BIBLE

Izibhalo Ezingcwele

isiXhosa Language

isiXhosa - All Bible

(Izibhalo Ezingcwele)

Old Testament		UNahum	1.476
IGenesis	3	UHabhakuki	1.480
IEksodus	98	UZefaniya	1.484
ILevitikus	176	UHagayi	1.488
INumeri	233	UZekariya	1.491
IDuteronomi	314	UMalaki	1.507
UYoshuwa	378	**New Testament**	
Abagwebi	423	UMateyu	1.512
URute	466	UMarko	1.578
USamuweli I	472	ULuka	1.621
USamuweli II	530	UYohane	1.692
OoKumkani I	579	IZenzo	1.743
OoKumkani II	631	KwabaseRoma	1.809
IziKronike I	691	KwabaseKorinte I	1.836
IziKronike II	748	KwabaseKorinte II	1.863
UEzra	810	KumaGalati	1.881
UNehemiya	829	Kwabase-Efese	1.891
UEstere	856	KwabaseFilipi	1.901
UYobhi	870	KwabaseKolose	1.908
IiNdumiso	921	KwabaseTesalonika I	1.914
ImiZekeliso	1.050	KwabaseTesalonika II	1.920
InTshumayeli	1.094	KuTimoti I	1.924
Ingoma Yazo Iingoma	1.109	KuTimoti II	1.932
UIsaya	1.117	KuTito	1.937
UYeremiya	1.206	KuFilemon	1.941
Izililo	1.303	KumaHebhere	1.943
UHezekile	1.312	EkaYakobi	1.963
UDaniyeli	1.404	KaPetros I	1.970
UHoseya	1.432	KaPetros II	1.978
UYoweli	1.446	KaYohane I	1.983
UAmosi	1.451	KaYohane II	1.990
UObhadiya	1.462	KaYohane III	1.991
UYona	1.464	EkaYuda	1.992
UMika	1.468	IsiTyhilelo	1.994

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.

bible society
of south africa

isiXhosa - All Bible

(Izibhalo Ezingcwele)

Testamente Endala

IGenesis

IGenesis 1

Indalo

1Ekuqalekeni uThixo wadala amazulu nehlabathi.

2Ke ehlabathini kwakusenyanyeni, kuselubala; kwakumnyama phezu kwamanzi enzonzobila. UMoya kaThixo wafukama phezu kwamanzi lawo.

3Wathi uThixo, Makubekho ukukhanya.

4Kwabakho ke ukukhanya. Wakubona ke uThixo ukukhanya ukuba kulungile, wahlula uThixo phakathi kokukhanya nobumnyama.

5Wathi uThixo ukukhanya yimini, wathi ubumnyama bubusuku. Kwahlwa, kwasa: yangumhla wokuqala.

6Wathi uThixo, Makubekho isibhakabhaka phakathi kwawo amanzi, sibe ngumahlulo wokwahlula amanzi kumanzi.

7Wasenza uThixo isibhakabhaka, wawahlula amanzi angaphantsi kwesibhakabhaka kuwo amanzi angaphezu kwesibhakabhaka. Kwaba njalo.

8Wathi uThixo isibhakabhaka ngamazulu. Kwahlwa, kwasa: yangumhla wesibini.

9Wathi uThixo, Amanzi angaphantsi kwamazulu makahlanganiselwe ndaweni-nye, kubonakale okomileyo. Kwaba njalo.

10Wathi uThixo okomileyo ngumhlaba, wathi intlanganisela yamanzi ziilwandle. Wabona uThixo ukuba kulungile.

11Wathi uThixo, Umhlaba mawuphume uhlaza, imifuno evelisa imbewu, imithi yeziqhamo, eyenza iziqhamo ngohlobo lwayo, embewu ikuyo, emhlabeni.

12Kwaba njalo. Umhlaba waphuma uhlaza, nemifuno evelisa imbewu ngohlobo lwayo, nemithi eyenza iziqhamo, embewu ikuyo, ngohlobo lwayo. Wabona uThixo ukuba kulungile.

13Kwahlwa kwasa: yangumhla wesithathu.

14Wathi uThixo, Makubekho izikhanyiso esibhakabhakeni samazulu, zibe ngumahlulo wokwahlula imini kubusuku; zibe zezemiqondiso, zibe zezamaxesha amisiweyo, zibe zezemihla neminyaka;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15mazibe zizikhanyiso esibhakabhakeni samazulu, zikhanyise ehlabathini. Kwaba njalo.

16Wenza uThixo izikhanyiso ezikhulu zazibini, esona sikhulu isikhanyiso ukuba silawule imini, esona sincinane isikhanyiso ukuba silawule ubusuku; wenza neenkwenkwezi.

17Wazibeka uThixo esibhakabhakeni samazulu, ukuba zikhanyise ehlabathini,

18zilawule imini nobusuku, zahlule ukukhanya kubumnyama. Wabona uThixo ukuba kulungile.

19Kwahlwa, kwasa: yangumhla wesiné.

20Wathi uThixo, Amanzi la makanyakazele inyakanyaka, imiphefumlo ephilileyo; zithi neentaka ziphaphazele ehlabathini, esibhakabhakeni sezulu.

21Wadala uThixo oominenga mikhulu, nayo yonke imiphefumlo ephilileyo enambuzelayo, awanyakazela ngayo amanzi ngohlobo lwayo, neentaka zonke ezinamaphiko ngohlobo lwazo. Wabona uThixo ukuba kulungile.

22Wazisikelela uThixo, esithi, Qhamani, nande, niwazalise amanzi aselwandle; zithi iintaka zande ehlabathini.

23Kwahlwa, kwasa: yangumhla wesihlanu.

24Wathi uThixo, Umhlaba mawuphume imiphefumlo ephilileyo ngohlobo lwayo: izinto ezizitho ziné, nezinambuzane, nezinto eziphilileyo zomhlaba ngohlobo lwazo.

25Kwaba njalo. Wenza uThixo izinto eziphilileyo zomhlaba ngohlobo lwazo, nezinto ezizitho ziné ngohlobo lwazo, nazo zonke izinambuzane zomhlaba ngohlobo lwazo. Wabona uThixo ukuba kulungile.

26Wathi uThixo, Masenze umntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi. Mababe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni ezizitho ziné, nasemhlabeni wonke, nasezinambuzaneni zonke ezinambuzela emhlabeni.

27Wamdala ke uThixo umntu ngokomfanekiselo wakhe; wamdala ngokomfanekiselo kaThixo; wadala indoda nenkazana.

28Wabasikelela uThixo, wathi kubo uThixo, Qhamani, nande, niwuzalise umhlaba niweyise; nibe nobukhosi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni zonke eziphilileyo ezinambuzelayo emhlabeni.

29Wathi uThixo, Yabonani, ndininikile yonke imifuno evelisa imbewu, esemhlabeni wonke, nayo yonke imithi eneziqhamo zemithi evelisa imbewu: yoba kukudla kuni.

30Nezinto zonke eziphilileyo zomhlaba, neentaka zonke zezulu, nezinambuzane zonke ezisemhlabeni, ezinomphefumlo ophilileyo, ndiziniké yonke imifuno eluhlaza ukuba ibe kukudla.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

31Kwaba njalo. Wakubona uThixo konke akwenzileyo, nanko, kulungile kunene. Kwahlwa, kwasa: yangumhla wesithandathu.

IGenesis 2

1Agqitywa ke amazulu nehlabathi, nawo wonke umkhosi wezo zinto.

2Wawugqiba ke uThixo ngomhla wesixhenxe umsebenzi wakhe awawenzayo; waphumla ngomhla wesixhenxe kuwo wonke umsebenzi wakhe awawenzayo.

3Wawusikelela uThixo umhla wesixhenxe, wawungcwalisa; ngokuba waphumla ngawo kuwo wonke umsebenzi wakhe awawudalayo uThixo, wawenza.

UAdam noEva emyezweni wase-Eden

4Yiyo le ke inzala yamazulu nehlabathi ekudalweni kwezo zinto, mini wenza uYehova uThixo ihlabathi namazulu,

5onke amatyholo asendle engekaveli emhlabeni, nayo yonke imifuno yasendle ingekantshuli; kuba uYehova uThixo ebengekanisi mvula emhlabeni; kwaye kungekho mntu wokuwusebenza umhlaba.

6Kwaye kunyuka inkungu iphuma ehlabathini, yawunyakamisa wonke umhlaba.

7UYehova uThixo wambumba umntu ngothuli lwasemhlabeni, waphefumlela emathatheni akhe impefumlo yobomi; umntu ke waba ngumphefumlo ophilileyo.

8UYehova uThixo watyala umyezo e-Eden ngasempumalanga; wambeka khona umntu abembumbile.

9UYehova uThixo wantshulisa emhlabeni yonke imithi enqwenelekayo ngokukhangeleka, nelungele ukudliwa; nomthi wobomi emyezweni phakathi, nomthi wokwazi okulungileyo nokubi.

10Kwaphuma umlambo e-Eden wokuwunyakamisa umyezo; wahluka apho, waba ziimbaxa eziné.

11Igama lowokuqala yiPishon; nguwo lowo ujikeleze lonke ilizwe laseHavila, apho ikhona igolide.

12Igolide yelo lizwe intle, ikhona ibhedolaki nelitye lebherilo.

13Igama lowesibini umlambo yiGihon; nguwo lowo ujikeleze lonke ilizwe lakwaKushi.

14Igama lowesithathu umlambo yiHidekele; nguwo lowo uya phambi kwelakwa-Asiriya. Owesiné umlambo ngumEfrati.

15UYehova uThixo wamthabatha umntu, wambeka emyezweni we-Eden, ukuba awusebenze, awugcine.

16UYehova uThixo wamwisela umthetho umntu, esithi, Yonke imithi yomyezo ungáyidla uyidle;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17ke wona umthi wokwazi okulungileyo nokubi uze ungawudli; kuba mhlana uthe wawudla, ùya kufa.

18Wathi uYehova uThixo, Akulungile ukuba umntu abe yedwa; ndiya kumenzela umncedi onguwabo.

19UYehova uThixo wabumba ngomhlaba zonke izinto eziphilileyo zasendle, nazo zonke iintaka zezulu, wazisa kuye uAdam ukubona ukuba wothini na ukuzibiza, ukuze oko azibize ngako uAdam zonke izinto eziphilileyo, ibe ligama lazo elo.

20Wazithiya amagama uAdam zonke izinto ezizitho ziné, neentaka zasezulwini, nazo zonke izinto eziphilileyo zasendle; ke uAdam akafunyanelwanga mncedi unguwabo.

21UYehova uThixo wawisa ubuthongo obukhulu phezu koAdam, walala. Wathabatha lwalunye ezimbanjeni zakhe, wavingca ngenyama esikhundleni salo.

22UYehova uThixo walwakha ubambo abeluthabathe kuAdam, lwaba ngumfazi; wamzisa kuAdam.

23Wathi uAdam, Eli ke ngoku lithambo lasemathanjeni am, yinyama yasenyameni yam; lo yena ukubizwa kothiwa ngumfazi, ngokuba ethatyathwe endodeni.

24Ngenxa yoko indoda yomshiya uyise nonina, inamathele kumkayo, babe nyama-nye ke.

25Baye bobabini behamba zé, umntu lowo nomkakhe, bengenazintloni.

IGenesis 3

Ukuhendwa nokuwa komntu

1Ke kaloku inyoka yaye inobuqhopholo ngaphezu kwazo zonke izinto eziphilileyo zasendle, abezenzile uYehova uThixo. Yathi kumfazi, Útshilo na okunene uThixo ukuthi, Ze ningadli kuyo yonke imithi yomyezo?

2Wathi umfazi kwinyoka, Eziqhameni zemithi yomyezo singadla;

3ke eziqhameni zomthi osemyezweni phakathi, uthe uThixo, Ze ningadli kuzo; ze ningazichukumisi, hleze nife.

4Yathi inyoka kumfazi, Anisayi kufa:

5kuba esazi uThixo ukuba, mhlana nithe nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengoThixo, nazi okulungileyo nokubi.

6Wabona umfazi ukuba umthi ulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlweni, ingumthi onqwenelekela ukuqiqisa, wathabatha eziqhameni zawo, wadla; wanika nendoda yakhe inaye, yadla.

7Aqabuka amehlo abo bobabini, bazi ukuba bahamba zé; bathunga amagqabi omkhiwane, bazenzela imibhinqo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Basiva isandi sikaYehova uThixo, ehamba emyezweni empepheni yasemini; basuka bazimela uAdam nomkakhe ebusweni bukaYehova uThixo, phakathi kwemithi yomyezo.

9UYehova uThixo wambiza uAdam, wathi kuye, Ùphi na?

10Wathi yena, Ndivé isandi sakho emyezweni, ndasuka ndoyika, ngokuba ndihamba zé; ndazimela.

11Wathi, Ùxelelwe ngubani na, ukuba uhamba zé? Udlile na kuwo umthi, endakuwisela umthetho ngawo, ndathi, Uze ungadli kuwo?

12Wathi uAdam, Umfazi owandinikayo ukuba abe nam, nguye ondinikileyo kuwo umthi, ndadla ke.

13Wathi uYehova uThixo kumfazi, Yintoni na le nto uyenzileyo? Wathi umfazi, Inyoka indilukuhlile, ndadla ke.

14Wathi uYehova uThixo kwinyoka, Ngokuba uyenzile le nto, ùqalekisiwe wena ngaphezu kwezinto zonke ezizitho ziné, neento zonke eziphilileyo zasendle; uya kuhamba ngesisu, udle uthuli, yonke imihla yobomi bakho.

15Ndiya kumisa ubutshaba phakathi kwakho nomfazi, naphakathi kwembewu yakho nembewu yakhe; yona iya kukutyumza intloko, wena uya kuyityumza isithende.

16Wathi kumfazi, Ndiya kukwandisa kakhulu ukubulaleka kwakho ekumitheni, uzale abantwana unembulaleko; inkanuko yakho ibe sendodeni yakho, ikulawule yona.

17KuAdam wathi, Ngokuba uphulaphule izwi lomkakho, wadla kuwo umthi endakuwisela umthetho ngawo, ndathi, Uze ungadli kuwo, úqalekisiwe umhlaba ngenxa yakho; ùya kudla kuwo ubulaleka, yonke imihla yobomi bakho.

18Úya kukuntshulela imithana enameva neenkunzane, ùdle umfuno wasendle.

19Ùya kudla ukudla kokubila kobuso bakho, ude ubuyele emhlabeni, kuba uthatyathwe kuwo; ngokuba ùluthuli, ùya kubuyela kwaseluthulini.

20UAdam walibiza igama lomkakhe ngokuthi nguEva, ngokuba yena engunina wabaphilileyo bonke.

21UYehova uThixo wabenzela iingubo zezìntsu uAdam nomkakhe, wabambathisa.

22Wathi uYehova uThixo, Yabonani, umntu usuke waba njengomnye wethu, ukwazi okulungileyo nokubi; hleze ke olule isandla sakhe, athabathe nakuwo umthi wobomi, adle, aphile ngonaphakade:

23uYehova uThixo wamndulula emyezweni we-Eden, ukuba asebenze umhlaba abethatyathwe kuwo.

24Wamgxotha ke umntu; wamisa ngasempumalanga kuwo umyezo we-Eden iikerubhi, nelangatye lekrele elijikajikayo lokugcina indlela eya emthini wobomi.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

IGenesis 4

UKayin noAbheli

1Ke kaloku uAdam wamazi uEva umkakhe; wamitha, wazala uKayin, wathi, Ndizuzé
indoda ngoYehova.

2Waphinda wazala umninawa wakhe, uAbheli; uAbheli waba ngumalusi wezimvu,
uKayin waba ngumsebenzi womhlaba.

3Kwathi ekupheleni kwamihla ithile, uKayin wathabatha eziqhameni zomhlaba,
wazisa umnikelo kuYehova.

4UAbheli wazisa naye, ethabathe kumazibulo ezimvu zakhe, kwezinamanqatha. Waza
uYehova wambheka uAbheli nomnikelo wakhe.

5Akambheka uKayin nomnikelo wakhe. Waqumba kunene uKayin, basangana ubuso
bakhe.

6Wathi uYehova kuKayin, Yini na ukuba uqumbe, yini na ukuba busangane ubuso
bakho?

7Ukuba uthe walungisa, abuyi kuswabuluka ubuso yini na? Ukuba uthe akwalungisa,
isono sibúthumile ngasesangweni, singxamele wena; ke wena, sílawule.

8Wathetha uKayin noAbheli umninawa wakhe, kwathi besendle, wesuka uKayin
wamvunukela uAbheli umninawa wakhe, wambulala.

9Wathi uYehova kuKayin, Úphi na uAbheli, umninawa wakho? Wathi yena, Andazi;
ndingumgcini womninawa wam, yini na?

10Wathi, Wenzé ntoni na? Izwi legazi lomninawa wakho liyakhala emhlabeni kum.

11Ngoko ùqalekisiwe emhlabeni, owakhamisé umlomo wawo ukuba ùlithabathe igazi
lomninawa wakho esandleni sakho.

12Xenikweni uwusebenzayo umhlaba, awusayi kuphinda ukunike amandla awo; ùya
kubhadula uphalaphale ehlabathini.

13Wathi uKayin kuYehova, Ityala lam likhulu ngokungenakuthwalwa.

14Yabona, ùndigxothile namhla phezu komhlaba; ndiya kusithela nasebusweni bakho,
ndibhadule, ndiphalaphale ehlabathini; bathi bonke abantu abandifumanayo
bandibulale.

15Wathi uYehova kuye, Xa kunjalo, bonke ababulala uKayin kophindezelwa kubo
kasixhenxe. UYehova wammisela uKayin umqondiso, ukuze bonke abamfumanayo
bangamsiki.

16Waphuma uKayin, wemka ebusweni bukaYehova; wahlala ezweni
lakwaKuphalaphala phambi kwe-Eden.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17UKayin wamazi umkakhe, wamitha, wazala uEnoki. Wákha umzi, wawuthiya loo mzi ngegama lonyana wakhe uEnoki.

18UEnoki wazalelwa uIradi; uIradi wazala uMehuyaheli; uMehuyaheli wazala uMetusaheli; uMetusaheli wazala uLameki.

19ULameki wazeka abafazi ababini; igama lomnye belinguAda, igama lowesibini belinguZila.

20UAda wazala uYabhali; yena waba nguyise wabahlala ezintenteni, nabafuyileyo.

21Igama lomninawa wakhe belinguYubhali; yena waba nguyise wabo bonke abaphatha uhadi nogwali.

22UZila uthe naye wazala uTubhalekayin, obekhanda yonke impahla enobukhali yobhedu nesinyithi; udade woTubhalekayin ebenguNahama.

23Wathi uLameki kubafazi bakhe, Ada noZila, liveni ilizwi lam! Bafazi bakaLameki, phulaphulani intetho yam! Sendibulele indoda ngenxa yenxeba lam, Nendodana ngenxa yomvumbo wam;

24Xa uKayin aya kuphindezelwa kasixhenxe, Yena uLameki uya kuphindezelwa kamashumi osixhenxe anesixhenxe.

25UAdam wabuya wamazi umkakhe, wazala unyana, wathi igama lakhe nguSete, kuba wathi, UThixo undimisele enye imbewu esikhundleni sika-Abheli owabulawa nguKayin.

26USete naye wazalelwa unyana, wathi igama lakhe nguEnoshe. Kwaqalwa oko ukunqulwa igama likaYehova.

IGenesis 5

Inzala ka-Adam kude kuye kuma kuNowa

1Yiyo le incwadi yenzala ka-Adam. Mhlana uThixo wamdala umntu, wamenza ngokufana noThixo.

2Wadala indoda nenkazana, wabasikelela, wabathiya igama elinguAdam, mhlana wabadala.

3UAdam wahlala iminyaka elikhulu elinamanci mathathu, wazala unyanangokufana naye, ngokomfanekiso wakhe, wamthiya igama elinguSete.

4Imihla ka-Adam emveni kokuzala kwakhe uSete yaba yiminyaka emakhulu asibhozo; wazala oonyana neentombi.

5Iyonke imihla ka-Adam, awahlala ngayo, yaba yiminyaka emakhulu asithoba anamanci mathathu; wafa ke.

6USete wahlala iminyaka elikhulu elinaminyaka mihlanu, wazala uEnoshe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7USete wahlala emveni kokuzala kwakhe uEnoshe iminyaka emakhulu asibhozo aneminyaka esixhenxe; wazala oonyana neentombi.

8Iyonke imihla kaSete yaba yiminyaka emakhulu asithoba anashumi-nye linamibini; wafa ke.

9UEnoshe wahlala iminyaka emashumi asithoba, wazala uKenan.

10UEnoshe wahlala emveni kokuzala kwakhe uKenan iminyaka emakhulu asibhozo anashumi-nye linamihlanu; wazala oonyana neentombi.

11Iyonke imihla kaEnoshe yaba yiminyaka emakhulu asithoba anamihlanu; wafa ke.

12UKenan wahlala iminyaka emashumi asixhenxe, wazala uMahalaleli.

13UKenan wahlala emveni kokuzala kwakhe uMahalaleli iminyaka emakhulu asibhozo anamanci mané: wazala oonyana neentombi.

14Iyonke imihla kaKenan yaba yiminyaka emakhulu asithoba, aneminyaka elishumi; wafa ke.

15UMahalaleli wahlala iminyaka emashumi mathandathu anamihlanu, wazala uYerede.

16UMahalaleli wahlala emveni kokuzala kwakhe uYerede iminyaka emakhulu asibhozo anamanci mathathu; wazala oonyana neentombi.

17Iyonke imihla kaMahalaleli yaba yiminyaka emakhulu asibhozo, anamanci asithoba anamihlanu; wafa ke.

18UYerede wahlala iminyaka elikhulu elinamanci mathandathu anamibini, wazala uEnoki.

19UYerede wahlala emveni kokuzala kwakhe uEnoki iminyaka emakhulu asibhozo; wazala oonyana neentombi.

20Iyonke imihla kaYerede yaba yiminyaka emakhulu asithoba anamanci mathandathu anamibini; wafa ke.

21UEnoki wahlala iminyaka emashumi mathandathu anamihlanu, wazala uMethusela.

22UEnoki wahamba noThixo, emveni kokuzala kwakhe uMethusela, iminyaka emakhulu mathathu; wazala oonyana neentombi.

23Iyonke imihla kaEnoki yaba yiminyaka emakhulu mathathu, anamanci mathandathu anamihlanu.

24UEnoki wahamba noThixo; akabakho, ngokuba uThixo wamthabatha.

25UMethusela wahlala iminyaka elikhulu elinamanci asibhozo anesixhenxe, wazala uLameki.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

26UMethusela wahlala emveni kokuzala kwakhe uLameki iminyaka emakhulu asixhenxe anamanci asibhozo anamibini; wazala oonyana neentombi.

27Iyonke imihla kaMethusela yaba yiminyaka emakhulu asithoba, anamanci mathandathu anesithoba; wafa ke.

28ULameki wahlala iminyaka elikhulu elinamanci asibhozo anamibini; wazala unyana.

29Wamthiya igama elinguNowa, esithi, Lo uya kusithuthuzela emsebenzini wethu, nasekubulalekeni kwezandla zethu, ngenxa yomhlaba awawuqalekisayo uYehova.

30ULameki wahlala emveni kokuzala kwakhe uNowa iminyaka emakhulu mahlanu anamanci asithoba anamihlanu; wazala oonyana neentombi.

31Iyonke imihla kaLameki yaba yiminyaka emakhulu asixhenxe anamanci asixhenxe anesixhenxe; wafa ke.

32Ke uNowa ebeminyaka imakhulu mahlanu ezelwe; uNowa wazala ooShem noHam noYafete.

IGenesis 6

Unogumbe

1Kuthe bakuqala ukwanda abantu ehlabathini, bakuzalelwa iintombi,

2bazibona oonyana bakaThixo iintombi zabantu ukuba zintle, bazeka abafazi kuzo zonke abazinyuláyo.

3Wathi uYehova, UMoya wam akayi kulawula ebantwini ngonaphakade; ekulahlekeni kwabo bayinyama; imihla yabo iya kuba yiminyaka elikhulu elinamanci mabini.

4Kwakukho iingxilimbela ehlabathini ngaloo mihla; kananjalo emveni koko, xeshikweni oonyana bakaThixo bangenáyo kuzo iintombi zabantu, zabazalela abantwana. Aba baba ngamagorha ababekho kwasephakadeni, amadoda adumileyo.

5Wabona uThixo ukuba ububi babantu bandile ehlabathini, konke ukuyila kweengcinga zentliziyo yabo kubububi bodwa imihla yonke.

6Wazohlwaya uYehova, ngokuba emenzile umntu ehlabathini, kwaba buhlungu kuye entliziyweni.

7Wathi uYehova, Ndiya kumcima umntu endimdalileyo, angabikho ehlabathini, kuthabathele emntwini kuse ezinkomeni, kuse ezinambuzaneni, kuse ezintakeni zezulu, ngokuba ndizohlwaya ngokuba ndizenzile ezo zinto.

8UNowa yena wababalwa nguYehova.

9Yiyo le ke inzala kaNowa. UNowa waye eyindoda elilungisa, egqibeleleyo, ezizukulwaneni zakhe. UNowa wahamba noThixo.

10UNowa wazala oonyana abathathu: uShem noHam noYafete.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ihlabathi lalonakele ebusweni bukaThixo; ihlabathi lalizele lugonyamelo.

12UThixo walikhangela ihlabathi, nâlo, lonakele! Ngokuba yonke inyama ibiyonakalisile indlela yayo ehlabathini.

13Wathi uThixo kuNowa, Isiphelo senyama yonke sifikile phambi kwam; ngokuba ihlabathi lizele lugonyamelo oluphuma kubo; yabona ke, ndiya kubonákalisa, bona ndawonye nehlabathi.

14Zénzele ke umkhombe ngemithi yegofere, uwenze izindlu umkhombe, uwuqabe ngaphakathi nangaphandle ngebhitumene.

15Wénjenje ukuwenza: bube ngamakhulu omathathu eekubhite ubude bomkhombe, namashumi omathathu eekubhite ububanzi bawo, namashumi omathathu eekubhite ukuphakama kwawo.

16Wenze ikroba emkhombeni, ukuligqiba kwakho kube yikubhite enye, ithabathela phezulu; umnyango womkhombe uwumise ecaleni lawo; wenze izindlu zodidi lwaphantsi, nolwesibini, nolwesithathu.

17Mna ke, ùyabona, ndihlisa unogumbe wamanzi ehlabathini, wokonakalisa yonke inyama enomoya wokuphila kuyo, ephantsi kwamazulu; konke okusehlabathini kuya kuphuma umphefumlo;

18ndíwumise umnqophiso wam nawe, ungene emkhombeni wena, noonyana bakho, nomkakho, nabafazi boonyana bakho, ndawonye nawe.

19Kwizinto zonke eziphilileyo, kwinyama yonke, uze ungenise emkhombeni ngambini kuzo zonke, ukuze zisindiswe nawe, ibe yinkunzi nemazi;

20kwiintaka ngohlobo lwazo, kwiinkomo ngohlobo lwazo, kuzo zonke izinambuzane zomhlaba ngohlobo lwazo, zibe ngambini kuzo zonke, eziya kungena kuwe, ukuba zisindiswe.

21Wena ke, uthabathele kuwe ekudleni konke okudliwayo, uhlanganisele kuwe kube kukudla kuwe nakuzo.

22Wenza uNowa konke uThixo abemwisele umthetho ngako, wenza njengoko.

IGenesis 7

Unogumbe

1Wathi uYehova kuNowa, Ngena, wena nendlu yakho yonke, emkhombeni, ngokuba ndibona wena ilungisa phambi kwam kwesi sizukulwana.

2Kwizinto zonke ezizitho ziné ezihlambulukileyo, thabathela kuwe ngasixhenxe, ngasixhenxe, inkunzi nemazi yayo; kwizinto ezizitho ziné eziziinqambi thabatha ngambini, inkunzi nemazi yayo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

3nakwiintaka zezulu ngasixhenxe, ngasixhenxe, inkunzi nemazi, ukuze imbewu igcinakale ehlabathini lonke.

4Kuba zisesixhenxe iintsuku, ndíze ndinise imvula ehlabathini iimini zibe mashumi mané nobusuku obumashumi mané, ndiyicime into yonke emiyo endayenzayo, ingabikho phezu kwehlabathi.

5Wenza uNowa konke uYehova awamwisela umthetho ngako.

6UNowa waye eminyaka imakhulu mathandathu ezelwe, wabakho unogumbe wamanzi ehlabathini.

7Wangena uNowa emkhombeni, enoonyana bakhe, nomkakhe, nabafazi boonyana bakhe, ndawonye naye, ngenxa yamanzi onogumbe.

8Kuzo izinto ezizitho ziné ezihlambulukileyo, nakuzo izinto ezizitho ziné eziziinqambi, nakuzo iintaka, nakuzo zonke izinto ezinambuzelayo emhlabeni,

9kwangena ngambini, ngambini, kuNowa emkhombeni, inkunzi nemazi, njengoko uThixo abemwisele umthetho uNowa.

10Kwathi emva kweentsuku ezisixhenxe, amanzi onogumbe abakho ehlabathini.

11Ngomnyaka wamakhulu omathandathu wokudla ubomi kukaNowa, ngenyanga yesibini, ngosuku lweshumi elinesixhenxe enyangeni leyo, kanye ngayo loo mini, yagqabhuka yonke imithombo yamanzi enzonzobila enkulu, iingcango zezulu zavuleka.

12Wabakho umvumbi wemvula ehlabathini iimini ezimashumi mané nobusuku obumashumi mané.

13Wangena emkhombeni kwangaloo mini uNowa, noShem noHam noYafete, oonyana bakaNowa, nomkaNowa, nabafazi bobathathu boonyana bakhe, ndawonye naye.

14Bòna, neento zonke eziphilileyo ngohlobo lwazo, nezinto zonke ezizitho ziné ngohlobo lwazo, nezinambuzane zonke ezinambuzelayo emhlabeni ngohlobo lwazo, neentaka zonke ngohlobo lwazo, iinto zonke eziphaphazelayo,

15ezinamaphiko, zangena kuNowa emkhombeni, ngambini, ngambini, kwinyama yonke enomoya wokuphila kuyo.

16Zangena iinkunzi neemazi kwinyama yonke; zangena njengoko uThixo abemwisele umthetho. UYehova wamvalela ngaphakathi.

17Yaba ngunogumbe imihla emashumi mané ehlabathini, enyuka amanzi, awufukula umkhombe, wafunquleka emhlabeni.

18Aba namandla amanzi, enyuka kunene ehlabathini, wahamba umkhombe phezu kwamanzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Aba namandla amanzi kunene kakhulu ehlabathini, zagutyungelwa zonke iintaba eziphakamileyo kakhulu, eziphantsi kwamazulu onke.

20Aba namandla amanzi, ada aba ziikubhite ezilishumi elinantlanu, ethabathela phezulu; zagutyungelwa ke iintaba.

21Yaphuma umphefumlo yonke inyama enambuzelayo emhlabeni, kwiintaka, nakwizinto ezizitho ziné, nakwizinto eziphilileyo, nakwinyakanyaka yonke enyakazelayo emhlabeni, nabantu bonke.

22Iinto zonke ezikuphefumla komoya wokuphila kusemathatheni azo, kwiinto zonke ezisemhlabeni owomileyo, zafa.

23Zabhujiswa ke izinto zonke ezimiyo, eziphezu komhlaba, kwathabathela emntwini kwesa ezintweni ezizitho ziné, nasezinambuzaneni, nasezintakeni zezulu; zabhujiswa azabakho ehlabathini; kwasala uNowa yedwa, nababenaye emkhombeni.

24Aba namandla amanzi ehlabathini imihla elikhulu elinamanci mahlanu.

IGenesis 8

Unogumbe

1UThixo wamkhumbula uNowa, neento zonke eziphilileyo, nezinto zonke ezizitho ziné ezazinaye emkhombeni; uThixo wahambisa umoya ehlabathini, awutha amanzi.

2Yavingcwa imithombo yamanzi enzonzobila neengcango zezulu, wathintelwa umvumbi wezulu.

3Abuya amanzi emhlabeni, amana ebuya, awutha amanzi ekupheleni kwemihla elikhulu elinamanci mahlanu.

4Umkhombe wazimisa ngenyanga yesixhenxe, ngosuku lweshumi elinesixhenxe enyangeni leyo, phezu kweentaba zaseArarati.

5Amanzi amana ewutha, kwada kwayinyanga yeshumi; ngeyeshumi ke, ngosuku lokuqala enyangeni leyo, zabonakala iincopho zeentaba.

6Kwathi, ekupheleni kwemihla emashumi mané, wayivula uNowa ifestile yomkhombe abeyenzile;

7wathuma ihlungulu, laphuma lamana lizulazula, ada atsha amanzi ehlabathini.

8Wasusa ihobe, ukuze abone ukuba amanzi awuthile na phezu kwehlabathi.

9Ihobe alifumanaga ndawo yakuphumza nentende yethupha lalo, labuyela kuye emkhombeni, ngokuba amanzi abephezu kwehlabathi lonke; wolula isandla sakhe, walithabatha, walingenisa kuye emkhombeni.

10Walinda eminye imihla esixhenxe, waphinda walisusa ihobe emkhombeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[11]Leza kuye ihobe ngexesha langokuhlwa; nanko, kukho igqabi lomnquma elisandula ukukhiwa emlonyeni walo; wazi uNowa, ukuba ehlile amanzi ehlabathini.

[12]Walinda eminye imihla ekwasixhenxe, walisusa ihobe; aliphindanga libuyele kuye kanjalo.

[13]Kwathi, ngomnyaka wamakhulu omathandathu anamnye, ngolokuqala enyangeni yokuqala, amanzi atsha ehlabathini; uNowa walususa uphahla lomkhombe; wakhangela, nango umhlaba womile.

[14]Ngenyanga yesibini, ngosuku lwamashumi omabini anesixhenxe enyangeni leyo, woma kwaphela umhlaba.

[15]Wathetha uThixo kuNowa, esithi,

[16]Phuma emkhombeni, wena nomkakho, noonyana bakho, nabafazi boonyana bakho, ndawonye nawe.

[17]Zonke izinto eziphilileyo ezikuwe, kwinyama yonke, ezintakeni, nasezintweni ezizitho ziné, nasezinambuzaneni zonke ezinambuzelayo emhlabeni, phuma nazo, zizalìse ihlabathi, ziqhame, zande ehlabathini.

[18]Waphuma ke uNowa, noonyana bakhe, nomkakhe, nabafazi boonyana bakhe, ndawonye naye.

[19]Zonke izinto eziphilileyo, zonke izinambuzane, neentaka zonke, iinto zonke ezinambuzelayo emhlabeni, ngeentlobo zazo, zaphuma emkhombeni.

[20]UNowa wamakhela uYehova isibingelelo, wathabatha kwizinto zonke ezizitho ziné ezihlambulukileyo, nakwiintaka zonke ezihlambulukileyo, wanyusa amadini anyukayo esibingelelweni eso.

[21]UThixo weva ivumba elithozamisayo, wathi uYehova entliziyweni yakhe, Andisayi kuphinda ndilitshabhise ihlabathi ngenxa yomntu, ngokuba ukuyila kwentliziyo yomntu kubi kwasebutsheni bakhe; andisayi kuphinda ndizibhubhise zonke izinto eziphilileyo, njengoko ndenzé ngako.

[22]Kuthabathela apha, ngayo yonke imihla yehlabathi, akuyi kuphela ukuhlwayela nokuvuna, ukubanda nobushushu, ihlobo nobusika, imini nobusuku.

IGenesis 9

Unogumbe

[1]UThixo wamsikelela uNowa noonyana bakhe, wathi kubo, Qhamani, nande, nizalise ihlabathi.

[2]Ukoyikeka kwenu, nokuqhiphula kwenu umbilini, makube phezu kwezinto zonke eziphilileyo zomhlaba, naphezu kweentaka zonke zezulu, nakwiinto zonke

© 1975 Bible Society of South Africa.

ezinambuzelayo emhlabeni, nakwiintlanzi zonke zolwandle; zona zinikélwe esandleni senu.

3Zonke izinambuzane eziphilileyo mazibe kukudla kuni; njengomfuno oluhlaza, ndininikile oko konke.

4Yinyama yodwa enomphefumlo wayo, enegazi layo, eningasayi kuyidla.

5Ligazi lenu lodwa, imiphefumlo yenu ke, endiya kulibiza; esandleni sezinto zonke eziphilileyo ndiya kulibiza, nasesandleni somntu; esandleni salowo ungumzalwana wakhe, ndiya kuwubiza umphefumlo womntu.

6Ophalaza igazi lomntu, igazi lakhe lophalazwa ngumntu, ngokuba umntu wênziwa ngokomfanekiselo kaThixo.

7Nina ke, qhamani nande, nilizalise ihlabathi, nande kulo.

8Watsho uThixo kuNowa, nakoonyana bakhe ndawonye naye, ukuthi,

9Yabonani, mna ndiyawumisa umnqophiso wam nani, nembewu yenu emva kwenu,

10nayo yonke imiphefumlo ephilileyo ekuni, kwiintaka, nakwizinto ezizitho ziné, nakwizinto zonke eziphilileyo zehlabathi ezikuni; kwiinto zonke eziphume emkhombeni, ezizizinto zonke eziphilileyo zehlabathi.

11Ndiwumisé umnqophiso wam nani, ukuba ingabi sanqunyulwa yonke inyama ngamanzi onogumbe, kungabi sabakho nogumbe wokulonakalisa ihlabathi.

12Wathi uThixo, Nguwo lo umqondiso womnqophiso endiwubekayo phakathi kwam nani, nayo yonke imiphefumlo ephilileyo ekuni, kuse kwizizukulwana zasephakadeni:

13umnyàma wam ndiwubeké efini, ukuba ube ngumqondiso womnqophiso ophakathi kwam nehlabathi.

14Kothi, ndakuwusibekelisa ngelifu umhlaba, ubonakale umnyàma lowo efini;

15ndiwukhùmbule umnqophiso wam ophakathi kwam nani, nayo yonke imiphefumlo ephilileyo enyameni yonke, angabi sabakho amanzi onogumbe okonakalisa inyama yonke.

16Umnyàma woba semafini ke, ndiwukhàngele, ndikhumbule umnqophiso ongunaphakade phakathi koThixo nayo yonke imiphefumlo ephilileyo, enyameni yonke esehlabathini.

17Wathi uThixo kuNowa, Nguwo lowo umqondiso womnqophiso endiwumisileyo phakathi kwam nayo yonke inyama esehlabathini.

UNowa nomdiliya

18Ke kaloku oonyana bakaNowa, ábaphuma emkhombeni, babengooShem, noHam, noYafete; uHam ke nguyise kaKanan.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Aba bathathu ngoonyana bakaNowa; balizaza ihlabathi lonke.

20UNowa wathi, engumlimi womhlaba, waqala watyala isidiliya.

21Wasela iwayini, wanxila, wazihluba phakathi kwentente yakhe.

22UHam, uyise kaKanan, wabubona ubuzé bukayise, waxelela abakhuluwa bakhe bobabini ngaphandle.

23UShem noYafete bathabatha ingubo, bayibeka emagxeni abo bobabini, baya ngomva, babugubungela ubuzé bukayise.

24Wavuka uNowa ewayinini yakhe, wakwazi akwenzileyo unyana wakhe omnci kuye.

25Wathi, Makaqalekiswe uKanan, Abe sisicaka sezicaka kubazalwana bakhe.

26Wathi, Makabongwe uYehova uThixo kaShem, UKanan abe sisicaka kubo.

27UThixo makamvulele uYafete, Ahlale ezintenteni zikaShem, UKanan abe sisicaka kubo.

28Wahlala uNowa emveni konogumbe iminyaka emakhulu mathathu anamanci mahlanu.

29Yonke imihla kaNowa yaba yiminyaka emakhulu asithoba anamanci mahlanu; wafa ke.

IGenesis 10

Inzala kaNowa

1Yiyo le ke inzala yoonyana bakaNowa: uShem, noHam, noYafete. Bazalelwa oonyana emveni konogumbe.

2Oonyana bakaYafete nguGomere, noMagogi, noMadayi, noYavan, noTubhali, noMesheki, noTirasi.

3Oonyana bakaGomere nguAshekenazi, noRifati, noTogarma.

4Oonyana bakaYavan nguElisha, noTarshishe, ngamaKiti namaDodan.

5Zadabuka kubo abo iziqithi zeentlanga emazweni, lwaolo ngokolwimi lwalo, ngokwesizwe salo ezintlangeni zazo.

6Oonyana bakaHam nguKushi, noMitserayim, noPuti, noKanan.

7Oonyana bakaKushi nguSebha, noHavila, noSebheta, noRama, noSabheteka; oonyana bakaRama nguShebha noDedan.

8UKushi wazala uNimrodi; yena waqala waba ligorha ehlabathini.

9Yena waba ligorha lezingela phambi koYehova; ngenxa yoko kwathiwa, NjengoNimrodi, igorha lezingela phambi koYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ukuqala kobukumkani bakhe yiBhabheli, ne-Ereki, ne-Akadi, neKalene, ezweni leShinare.

11Kulo elo zwe waphuma waya kwelaseAsiriya, wákha iNineve neRehobhotire nomzi weKala,

12neRezen, phakathi kweNineve neKala; nguloo mzi mkhulu ke lowo.

13UMitzerayim wazala amaLudi, nama-Anam, namaLehabhi, namaNafetuyi,

14namaPatrusi, namaKaseluyi, apho kwaphuma khona amaFilisti namaKafetori.

15UKanan wazala uTsidon, owamazibulo wakhe,

16noHeti, namaYebhusi, nama-Amori, namaGirgashi,

17namaHivi, nama-Areki, namaSin, nama-Arvadi,

18namaTsemari, namaHamati; emveni koko zaphangalala izizwe zamaKanan.

19Umda wamaKanan wathabathela eTsidon, wasinga eGerare, wasa eGaza; wasinga eSodom, neGomora, neAdama, neTsebhoyim, wasa eLasha.

20Ngabo abo oonyana bakaHam, ngokwezizwe zabo, ngokweelwimi zabo, emazweni abo, ezintlangeni zabo.

21UShem wazalelwa naye; unguyise wabo bonke oonyana bakaEbhere, ungumzalwana omkhulu kaYafete.

22Oonyana bakaShem nguElam, noAsuri, noArpakishadi, noLudi, noAram.

23Oonyana baka-Aram ngu-Utse, noHuli, noGetere, noMashi.

24UArpakishadi wazala uShela, uShela wazala uEbhere.

25UEbhere wazalelwa oonyana bababini; igama lomnye belinguPelege, ngokuba ngemihla yakhe bahlukahluka abemi behlabathi; igama lomninawa wakhe belinguYoketan.

26UYoketan wazala uAlemodadi, noShelefe, noHatsaremavete, noYera,

27noHadoram, noUzali, noDikela,

28no-Obhali, noAbhimayeli, noShebha,

29no-Ofire, noHavila, noYobhabhi; bonke abo bangoonyana bakaYoketan.

30Ukuma kwabo kwathabathela eMesha, kwasinga eZefara, intaba yasempumalanga.

31Ngabo abo oonyana bakaShem ngokwezizwe zabo, ngokweelwimi zabo, emazweni abo, ngokweentlanga zabo.

32Zizo ezo izizwe zoonyana bakaNowa, ngokweenzalo zabo, ezintlangeni zabo; zadabuka kubo abo iintlanga ehlabathini emveni konogumbe.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

IGenesis 11

Inqaba yaseBhabheli

1Ke kaloku lonke ihlabathi libe lintetho-nye, limazwi manye.

2Kwathi, ekundulukeni kwabo besinga empumalanga, bafumana ithafa ezweni laseShinare; bahlala khona. Bathi abanye kwabanye, Yizani, senze izitena, sizitshise kunene.

3Baba nezitena endaweni yamatye, nebhitumene endaweni yodaka.

4Bathi, Yizani, sizakhele umzi, nepoma lenqaba elincopho isemazulwini; sizenzele igama, hleze sichithakalele ehlabathini lonke.

5UYehova wehla, eza kukhangela umzi lowo, nenqaba leyo inde, bayakhayo oonyana boluntu.

6Wathi uYehova, Yabona, abantu banye, bantetho-nye bonke bephela; yingqalo ke le yokwenza kwabo; kaloku abayi kunqatyelwa nto bayinkqangiyeleyo ukuyenza.

7Yizani, sihle, sidube khona apho intetho yabo, ngokokuze bangevani ngentetho.

8UYehova wabachithachitha kwalapho ehlabathini lonke; bayeka ukuwakha loo mzi.

9Ngenxa yoko kwathiwa igama lawo yiBhabheli; ngokuba uYehova wayiduba khona apho intetho yehlabathi lonke, wabachithachitha kwalapho uYehova ehlabathini lonke.

Inzala kaShem kude kuye kuma kuAbram

10Yiyo le ke inzala kaShem: uShem ubeminyaka ilikhulu ezelwe, wazala uArpakishadi, iminyaka emibini emveni konogumbe.

11UShem wahlala emveni kokuzala kwakhe uArpakishadi iminyaka emakhulu mahlanu, wazala oonyana neentombi.

12UArpakishadi wahlala iminyaka emashumi mathathu anamihlanu, wazala uShela.

13UArpakishadi wahlala emveni kokuzala kwakhe uShela iminyaka emakhulu mané anamathathu, wazala oonyana neentombi.

14UShela wahlala iminyaka emashumi mathathu, wazala uEbhere.

15UShela wahlala emveni kokuzala kwakhe uEbhere iminyaka emakhulu mané anamithathu, wazala oonyana neentombi.

16UEbhere wahlala iminyaka emashumi mathathu anaminé, wazala uPelege.

17UEbhere wahlala emveni kokuzala kwakhe uPelege iminyaka emakhulu mané anamanci mathathu, wazala oonyana neentombi.

18UPelege wahlala iminyaka emashumi mathathu, wazala uRehu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19UPelege wahlala emveni kokuzala kwakhe uRehu iminyaka emakhulu mabini anesithoba, wazala oonyana neentombi.

20URehu wahlala iminyaka emashumi mathathu anamibini, wazala uSerugi.

21URehu wahlala emveni kokuzala kwakhe uSerugi iminyaka emakhulu mabini anesixhenxe, wazala oonyana neentombi.

22USerugi wahlala iminyaka emashumi mathathu, wazala uNahore.

23USerugi wahlala emveni kokuzala kwakhe uNahore iminyaka emakhulu mabini, wazala oonyana neentombi.

24UNahore wahlala iminyaka emashumi mabini anesithoba, wazala uTera.

25UNahore wahlala emveni kokuzala kwakhe uTera iminyaka elikhulu elinashumi-nye linesithoba, wazala oonyana neentombi.

26UTera wahlala iminyaka emashumi asixhenxe, wazala uAbram, noNahore, noHaran.

27Yiyo le ke inzala kaTera: uTera wazala uAbram, noNahore, noHaran; uHaran wazala uLote.

28Wafa uHaran esekho uTera uyise, ezweni lokuzalwa kwakhe, eUre yamaKaledi.

29UAbram noNahore bazeka abafazi; igama lomka-Abram lalinguSarayi; igama lomkaNahore lalinguMilka, intombi kaHaran, usoMilka, usoYiska.

30USarayi ebengazali, engenamntwana.

31UTera wamthabatha uAbram, unyana wakhe, noLote unyana kaHaran, unyana wonyana wakhe, noSarayi umolokazana wakhe, umka-Abram unyana wakhe, baphuma nabo eUre yamaKaledi, besiya ezweni lakwaKanan; bafika kwelakwaHaran, bahlala khona.

32Imihla kaTera yaba yiminyaka emakhulu mabini anamihlanu; wafa uTera kwelakwaHaran.

IGenesis 12

Imbali ka-Abram: ukubizwa kwakhe nguThixo; uhambo lwakhe lokuya kwaKanan

1Ke kaloku uYehova wathi kuAbram, Hamba, umke ezweni lakowenu, kwelokuzalwa kwakho, nasendiwini kayihlo, uye ezweni endokubonisa lona;

2ndikwènze uhlanga olukhulu, ndikusikelele, ndilikhulise igama lakho, ube yintsikelelo;

3ndibasikèlele abakusikelelayo, ndimtshabhise okuqalekisayo; zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wahamba uAbram njengoko wathethayo uYehova kuye; wahamba naye uLote. UAbram ubeminyaka imashumi asixhenxe anamihlanu ezelwe, ukuphuma kwakhe kwelakwaHaran.

5UAbram wathabatha uSarayi umkakhe, noLote unyana womninawa wakhe, nengqwebo yabo yonke ababeyiqwebile, nabantu ababebafumene kwelakwaHaran; baphuma ke besiya ezweni lakwaKanan, bafika ke ezweni lakwaKanan.

6UAbram wacanda ilizwe, wada waya kwindawo enoShekem, wada waya eMokini kaMore. AmaKanan abekho ngelo xesha kulo ilizwe.

7UYehova wabonakala kuAbram, wathi, Imbewu yakho ndiya kuyinika eli lizwe. Wamakhela khona isibingelelo uYehova, owabonakalayo kuye.

8Wesuka khona waya entabeni ngasempumalanga, eBheteli, wayitwabulula intente yakhe, iBheteli ingasentshonalanga, iAyi ingasempumalanga; wamakhela khona isibingelelo uYehova, wanqula igama likaYehova.

9Wanduluka uAbram, ehamba encothula, esinga kwelasezantsi.

UAbram eYiputa

10Kwabakho indlala ezweni. Wehla uAbraham waya eYiputa, ukuze aphambukele khona; ngokuba indlala ibinzima elizweni.

11Kwathi, akusondela ukuba angene eYiputa, wathi kuSarayi umkakhe, Uyabona ke, ndiyazi ukuba ungumfazi omhle imbonakalo.

12Kothi ke, akukubona amaYiputa, athi, Ngumkakhe lo; andibulale, akuyeke wena udle ubomi.

13Ùze uthi, ùngudade wethu wena; ukuze kulunge kum ngenxa yakho, umphefumlo wam udle ubomi ngenxa enawe.

14Kwathi, akufika uAbram eYiputa, ambona amaYiputa umfazi ukuba uyinzwakazi.

15Bambona abathetheli bakaFaro, bamdumisa kuFaro; umfazi wasiwa endlwini kaFaro.

16Wamphatha ngokulungileyo uAbram ngenxa yakhe; wanempahla emfutshane, neenkomo, namaesile, nabakhonzi, nabakhonzazana, neemazi zamaesile, neenkamela.

17UYehova wambetha uFaro nendlu yakhe ngezibetho ezikhulu ngenxa kaSarayi, umka-Abram.

18UFaro wambiza uAbram wathi, Yintoni na le uyenzileyo kum? Yini na ukuba ungandixeleli ukuba ngumkakho?

19Yini na ukuba uthi, ngudade wenu? Ndamthabatha ukuba abe ngumfazi wam. Ngoku ke nanko umkakho, mthabathe uhambe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20UFaro wawawisela umthetho amadoda ngaye; amkhapha yena nomkakhe, nezinto zakhe zonke.

IGenesis 13

Ukwahlukana kuka-Abram noLote

1Wenyuka uAbram, ephuma eYiputa, yena nomkakhe, neento zakhe zonke, enoLote, esinga kwelasezantsi.

2UAbram waye esisityebi kunene ngemfuyo, nangesilivere, nangegolide.

3Wahamba encothula, esuka kwelasezantsi, wafika eBheteli, kuloo ndawo yayikhona intente yakhe matanci, phakathi kweBheteli neAyi,

4endaweni yesibingelelo awasenzayo khona ekuqaleni. UAbram walinqula khona igama likaYehova.

5Naye uLote, obehamba noAbram, waye enempahla emfutshane, neenkomo, neentente.

6Ilizwe elo alaba nakubathwala, ukuba bahlale ndawonye; ngokuba impahla yabo yayininzi, ababa nakuhlala ndawonye.

7Kwabakho ukubambana phakathi kwabalusi bemfuyo ka-Abram nabalusi bemfuyo kaLote. Ngelo xesha ilizwe lalimiwe ngamaKanan namaPerizi.

8UAbram wathi kuLote, Makungabikho mbambano kaloku phakathi kwam nawe, naphakathi kwabalusi bam nabalusi bakho; ngokuba singamadoda azalanayo.

9Àliphambi kwakho na ilizwe lonke? Khawahluke kum; ukuba uya ekhohlo, ndoya ekunene, ukuba uya ekunene, ndoya ekhohlo.

10ULote waphakamisa amehlo akhe, wawukhangela wonke ummandla waseYordan, ngokuba ubunamanzi wonke, engekayonakalisi uYehova iSodom neGomora, unjengomyezo kaYehova, unjengelizwe laseYiputa, usingise eTsohare.

11ULote wawunyula wonke ummandla waseYordan; wanduluka uLote waya ngasempumalanga; bahlukana ke.

12UAbram wahlala ezweni lakwaKanan; uLote wahlala emizini yaloo mmandla, wayisondezela eSodom intente yakhe.

13Ke kaloku amadoda aseSodom ayengabenzi bobubi, engaboni abakhulu kuYehova.

14Wathi uYehova kuAbram, emveni kokuba uLote ahlukane naye, Khawuwaphakamise amehlo akho ukuloo ndawo ukuyo, ubhekise entla, nasezantsi, nasempumalanga, nasentshonalanga;

15ngokuba lonke ilizwe olibonayo ndiya kulinika wena, nembewu yakho, kude kuse ephakadeni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16ndiyènze imbewu yakho ibe njengothuli lomhlaba, angáthi ubani enako ukulubala uthuli lomhlaba, ayibale nembewu yakho.

17Suka, ulihambe ilizwe ngobude balo nangobubanzi balo; ngokuba ndiya kulinika wena.

18Wancothula uAbram intente yakhe, waya wahlala ngaseMiokini kaMamre eseHebron, wakhela khona uYehova isibingelelo.

IGenesis 14

Imfazwe yookumkani; ukuthinjwa kukaLote nokuhlangulwa kwakhe

1Kwathi ngemihla ka-Amrafele ukumkani waseShinare, noAriyoki ukumkani wase-Elazare, noKedorlahomere ukumkani wakwaElam, noTidali ukumkani wamaGoyi,

2benza imfazwe noBhera ukumkani waseSodom, noBhirsha ukumkani waseGomora, noShinabhi ukumkani waseAdama, noShemebhere ukumkani waseTsebhoyim, nokumkani waseBhela, eyiTsohare.

3Bonke abo baqukana entilini yaseSidim, eluLwandle lweTyuwa.

4Iminyaka elishumi elinamibini bakhonza uKedorlahomere, bathi ngomnyaka weshumi elinantathu bagwilika.

5Ngomnyaka weshumi elinaminé weza uKedorlahomere nookumkani ababanaye, bawatshabalalisa amaRafa eAshtaroti-karnayim, namaZuzi eHam, namaEma ethafeni laseKiriyatayim,

6namaHori entabeni yawo yakwaSehire, kwasà kwiElparan, engasentlango.

7Bajika, beza e-En-mishpati eyiKadeshe, balitshabalalisa lonke ilizwe lakwa-Amaleki, nama-Amori abehleli eHatsetson-tamare.

8Waphuma ukumkani waseSodom, nokumkani waseGomora, nokumkani waseAdama, nokumkani waseTsebhoyim, nokumkani waseBhela, eyiTsohare, bakha uluhlu lokulwa nabo entilini yaseSidim;

9noKedorlahomere ukumkani wakwaElam, noTidali ukumkani wamaGoyi, noAmrafele ukumkani waseShinare, noAriyoki ukumkani wase-Elazare: ookumkani abahlanu balwa nabané.

10Ke intili yaseSidim yaye iyimingxuma yodwa yebhitumene; basaba ookumkani, owaseSodom, nowaseGomora, beyela khona, amasalela asabela entabeni.

11Bayithabatha yonke impahla yaseSodom, neGomora, nako konke ukudla kwabo, bemka.

12Bamthabatha noLote, nempahla yakhe, unyana womninawa ka-Abram, bemka; kuba wayehleli eSodom.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wafika osindileyo, waxelela uAbram, umHebhere; yena ebehleli eMiokini kaMamre umAmori, umzalwana kaEshkoli, nomzalwana ka-Anere; bona ke bebengamanqophisana noAbram.

14Weva ke uAbram, ukuba uthinjiwe umzalwana wakhe, wawaphalaza amadoda akhe aqeqeshiweyo, azalelwe endlwini yakhe, angamakhulu mathathu aneshumi elinesibhozo, wasukela, waya kufika kwaDan.

15Wawahlulahlula, wabawela ebusuku, yena nabakhonzi bakhe, wabagxotha, wabasukela wasa eHobha, engasekhohlo kweDamasko.

16Wazibuyisa zonke iimpahla, kwanoLote umzalwana wakhe, wazibuyisa neempahla zakhe, kwanabafazi nabantu.

17Waphuma ukumkani waseSodom, esiya kumkhawulela ekubuyeni kwakhe ekutshabalaliseni uKedorlahomere, nookumkani ebabenaye, entilini yeShave, eyintili yookumkani.

UMelkitsedeke usikelela uAbram

18UMelkitsedeke, umkukani waseSalem, waphuma enesonka newayini; ubengumbingeleli kaThixo Osenyangweni.

19Wamsikelela wathi, Makasikelelwe uAbram nguThixo Osenyangweni, uMninimazulu nehlabathi!

20Makabongwe uThixo Osenyangweni obanikeleyo ababandezeli bakho esandleni sakho. UAbram wamnika isishumi seento zonke.

21Wathi ukumkani waseSodom, kuAbram, Ndínike abantu, uthabathe impahla.

22Wathi uAbram kukumkani waseSodom, Isandla sam ndisiphakamisele kuYehova uThixo Osenyangweni,

23uMninimazulu nehlabathi, ukuba andiyi kuthabatha nosinga, nokuba ngumtya wembadada, ukuba andiyi kuthabatha kuko konke okwakho; ukuze ungàtsho ukuthi, Mna ndimtyebisile uAbram.

24Makungabikho nto iyeyam, kuphela ibe yile nto idliweyo ngabafana, nesabelo samadoda abehamba nam, uAnere, noEshkoli, noMamre; wona makasithabathe isabelo sawo.

IGenesis 15

UThixo uthembisa uAbram ngendlamafa nangelizwe lakwaKanan

1Emveni kwezo zinto, lafika ilizwi likaYehova kuAbram ngombono, lisithi, Musa ukoyika, Abram; ndiyingweletshetshe yakho, umvuzo wakho omkhulu kunene.

2Wathi uAbram, Nkosi yam, Yehova, wondinika ntoni na? Ndihamba ndingenamntwana; indlamafa yendlu yam ngulo Eliyezere waseDamasko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Wathi uAbram, Yabona, akundinikanga mbewu; yabona, umntu ongowendlu yam uya kuba yindlamafa yam.

4Nâlo ilizwi likaYehova lifika kuye, lisithi, Akayi kuba yindlamafa yakho lo; ngoya kuphuma ezibilini zakho, yena oya kuba yindlamafa yakho.

5Wamsa phandle, wathi, Khawubheke phezulu ezulwini, uzibale iinkwenkwezi, ukuba unokuzibala; wathi kuye, Iya kuba njalo ke imbewu yakho.

6Wakholwa kuYehova; oko wakubalela ebulungiseni kuye.

Idinga lizinyaswa ngomnqophiso

7Wathi kuye, NdinguYehova owakukhuphayo eUre yamaKaledi, ukuba ndikunike eli lizwe, ulidle ilifa.

8Wathi yena, Nkosi, Yehova, ndiya kwazi ngantoni na, ukuba ndiya kulidla ilifa?

9Wathi kuye, Ndíthabathele ithokazi eliminyaka mithathu, nemazi yebhokhwe eminyaka mithathu, nenkunzi yemvu eminyaka mithathu, nehobe, negobo levukuthu.

10Wamthabathela ke zonke ezo zinto, wazicanda kubini, wazibeka izahlulo, esinye sakhangelana nesinye; ke zona iintaka akazicanda.

11Ehla amaxhalanga phezu kwezidumbu, wawaphekuza uAbram.

12Kwathi, xa litshonayo ilanga, efikelwe uAbram bubuthongo obukhulu, wabona efikelwa kukothuka nabubumnyama obukhulu.

13Wathi kuAbram, Yazi ke, ukuba imbewu yakho iya kuba ngumphambukeli ezweni elingelayo, ibakhonze abo, bayicinezele, iminyaka emakhulu mané.

14Kananjalo uhlanga eya kulukhonza ndiya kulugweba; emveni koko iya kuphuma ineempahla ezininzi.

15Ke wena uya kuya kooyihlo unoxolo; ungcwatywe uyingwevu enkulu.

16Kwesesiné isizukulwana iya kubuyela apha, kuba ubugwenxa bama-Amori abukazaliseki.

17Kwathi, lakuba litshonile ilanga, kwakuba sithokothoko, wabona kukho iziko eliqhumayo, elinelangatye elidangazelayo, elacanda phakathi kwezo zahlulo.

18Ngaloo mini ke uYehova wenza umnqophiso noAbram, wathi, Imbewu yakho ndiyiniké eli lizwe, lithabathele emlanjeni waseYiputa, lise emlanjeni omkhulu, emlanjeni ongumEfrati:

19amaKeni, namaKinazi, namaKadimon,

20namaHeti, namaPerizi, namaRafa,

21nama-Amori, namaKanan, namaGirigashi, namaYebhusi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IGenesis 16

Intsabo kaHagare emka kuSarayi; ukuzalwa kukaIshmayeli

1Ke kaloku uSarayi umka-Abram ubengamzaleli mntwana. Waye enomkhonzazana
ongumYiputazana, ogama belinguHagare.

2Wathi uSarayi kuAbram, Yabona, uYehova undivingcile ukuba ndingazali;
khawungene kumkhonzazana wam lo, mhlawumbi ndingakheka ngaye.
Waliphulaphula uAbram izwi likaSarayi.

3Wathi uSarayi, umka-Abram, wamthabatha uHagare um Yiputazana, umkhonzazana
wakhe, emveni kokuba uAbram wayehleli iminyaka elishumi ezweni lakwaKanan,
wamnika uAbram indoda yakhe ukuba abe ngumkakhe.

4Wamngena ke uHagare, wamitha; akubona ukuba umithi, inkosikazi yakhe
yacukucezeka emehlweni akhe.

5Wathi uSarayi kuAbram, Ukoniwa kwam makube phezu kwakho; umkhonzazana
wam ndimnike mna esifubeni sakho; úthe akubona ukuba umithi, ndacukucezeka
emehlweni akhe; uYehova makagwebe phakathi kwam nawe.

6Wathi uAbram kuSarayi, Yabona, umkhonzazana wakho usesandleni sakho; yenza
kuye okulungileyo emehlweni akho. USarayi wamcinezela, wabaleka wemka
ebusweni bakhe.

7Ke kaloku isithunywa sikaYehova samfumana ngasemthonjeni wamanzi entlango,
ngasemthonjeni osendleleni eya eShure.

8Sathi, Hagare, mkhonzazana kaSarayi, uvela phi na, usiya phi na? Wathi, Ndibaleké
ndemka ebusweni bukaSarayi, inkosikazi yam.

9Sathi isithunywa sikaYehova kuye, Buyela kwinkosikazi yakho, uzithobe phantsi
kwesandla sayo.

10Sathi isithunywa sikaYehova kuye, Ndiya kuyandisa kakhulu imbewu yakho,
ingàbalwa ngenxa yobuninzi.

11Sathi isithunywa sikaYehova kuye, Yabona ùmithi; uya kuzala unyana, umthiye
igama elinguIshmayeli, ngokuba uYehova uzivile iintsizi zakho.

12Yena uya kuba ngumntu onjenge-esile lasendle ukundweba; isandla sakhe siya
kuchasana nabantu bonke, isandla sabantu bonke sichasane naye; ahlale ebusweni
babazalwana bakhe bonke.

13Walibiza igama likaYehova, obethetha naye, wathi, ÙnguThixo ozibonakalisayo.
Ngokuba wathi, Ndisabona na nalapha, emveni kokuba ndimbonile?

14Ngenxa yoko walithiya elo qula igama lokuthi liQula likaPhila-ebonile; nâlo
phakathi kweKadeshe neBherede.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15UHagare wamzalela uAbram unyana; uAbram ukumthiya igama unyana wakhe, lowo abemzalele yena uHagare, wathi nguIshmayeli.

16UAbram ubeminyaka imashumi asibhozo anamithandathu ezelwe, oko uHagare wamzalelayo uAbram uIshmayeli.

IGenesis 17

Umnqophiso wolwaluko

1Kwathi, uAbram akuba minyaka imashumi asithoba anesithoba ezelwe, uYehova wabonakala kuAbram, wathi kuye, NdinguThixo uSomandla; hamba phambi kwam ube ngogqibeleleyo.

2Ndiya kuwubeka umnqophiso wam phakathi kwam nawe, ndikwandise kakhulu kunene.

3Wawa uAbram ngobuso bakhe.

4UThixo wathetha naye, esithi, Mna, yabona, umnqophiso wam unawe; ùya kuba nguyise wengxokolo yeentlanga.

5Kananjalo akusayi kuthiwa igama lakho nguAbram; igama lakho liya kuba nguAbraham, ngokuba ndikwenzé uyise wengxokolo yeentlanga;

6ndiya kukuqhamisa kakhulu kunene, ndikwenze iintlanga, kuphume ookumkani kuwe;

7ndiwumise umnqophiso wam phakathi kwam nawe, naphakathi kwembewu yakho emva kwakho kwizizukulwana zayo, ube ngumnqophiso ongunaphakade, wokuba ndibe nguThixo kuwe, nakwimbewu yakho emva kwakho;

8ndílinike wena nembewu yakho emva kwakho ilizwe lokuphambukela kwakho, lonke ilizwe eli lakwaKanan, ukuba libe yinto yenu ngonaphakade, ndibe nguThixo wabo.

9Wathi uThixo kuAbraham, Wena ke, umnqophiso wam wowugcina, nembewu yakho emva kwakho kwizizukulwana zabo.

10Nguwo lo umnqophiso wam eniya kuwugcina phakathi kwam nani, nembewu yakho emva kwakho: wokuba yonke into eyindoda kuni yalùswe; nalùswe inyama yokwalùswa;

11oko kube ngumqondiso womnqophiso ophakathi kwam nani.

12Unyana omihla isibhozo makalùswe kuni, yonke into eyindoda kwizizukulwana zenu, ezelwe endlwini, nezuzwe ngemali kubani wolunye uhlanga, ongengowembewu yakho yena.

13Makalùswe ozelwe endlwini yakho, nozuzwe ngemali yakho; umnqophiso wam enyameni yenu uya kuba ngumnqophiso ongunaphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Into eyindoda engalukileyo, enyama yokwalùswa ingalùswanga, loo mphefumlo
mawunqanyulwe, ungabikho ebantwini bakowawo; úwaphúle umnqophiso wam.

15Wathi uThixo kuAbraham, USarayi umkakho akuyi kumbiza ngegama lokuba
nguSarayi; igama lakhe loba nguSara.

16Ndiya kumsikelela; kananjalo ndikùnike unyana ngaye, ndimsikelele, abe ziintlanga,
kuphume ookumkani bezizwe kuye.

17UAbraham wawa ngobuso bakhe, wahleka, wathi entliziyweni yakhe, Azi umntu
ominyaka ilikhulu wozalelwa na? Azi uSara, intokazi eminyaka imashumi asithoba,
angazala na?

18Wathi uAbraham kuThixo, Wanga uIshmayeli angadla ubomi phambi kwakho!

19Wathi uThixo, Ewe, uSara umkakho úya kukuzalela unyana, umbize ngegama
lokuba nguIsake; ndíwumise umnqophiso wam naye, ube ngumnqophiso
ongunaphakade kwimbewu yakhe emva kwakhe.

20Ngokusingisele kuIshmayeli ndikuvile; ùyabona, ndimsikelele, ndimqhamisile,
ndimandisile kakhulu kunene. Uya kuzala izikhulu ezilishumi elinazibini, ndimènze
uhlanga olukhulu.

21Umnqophiso wam wona ndowumisa noIsake, oya kumzalelwa nguSara ngeli xesha
nyakenye.

22Wagqiba ukuthetha naye. Wenyuka uThixo esuka kuAbraham.

23UAbraham wamthabatha uIshmayeli unyana wakhe, nabo bonke abazalelwe
endlwini yakhe, nabo bonke abazuzwe ngemali yakhe, yonke into eyindoda phakathi
kwabantu bendlu ka-Abraham, wayalùsa inyama yokwalùswa kwangaloo mini,
njengoko abethethile uThixo kuye.

24UAbraham ebeminyaka imashumi asithoba anesithoba ezelwe, ukwalùswa
kwenyama yokwalùswa.

25UIshmayeli, unyana wakhe, ebeminyaka ilishumi elinamithathu ezelwe, ukwalùswa
kwenyama yokwalùswa.

26Kwangaloo mini walùswa uAbraham, noIshmayeli unyana wakhe.

27Nawo onke amadoda endlu yakhe, azalelwe endlwini yakhe, nazuzwe ngemali
kubani wolunye uhlanga, alùswa kunye naye.

IGenesis 18

UAbraham wamkela izithunywa ezithathu

1UYehova wabonakala kuye eMiokini kaMamre, ehleli emnyango wentente,
ekufudumaleni kwemini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Wawaphakamisa amehlo akhe, wabona, nango amadoda amathathu emi ngakuye. Wabona, wagidima, eya kuwakhawulela, esuka emnyango wentente.

3Waqubuda emhlabeni, wathi, Nkosi yam, ukuba kaloku ndibabalwe nguwe, musa ukudlula umke kumkhonzi wakho.

4Makhe kuthatyathwe intwana yamanzi, nihlambe iinyawo zenu, ningqengqe phantsi komthi lo;

5ndíthabathe iqhekeza lesonka, nixhase iintliziyo zenu; kamva nodlula; kuba nize kudlula ngenxa yoko kumkhonzi wenu. Athi, Yenza ngoko uthethe ngako.

6Wakhawuleza uAbraham, waya ententeni kuSara, wathi, Khawuleza, uxovule iiseha ezintathu zomgubo ocoliweyo, wenze amaqebengwana ezonka.

7Wagidima waya ezinkomeni uAbraham, wathabatha ithole lenkomo, lithambile, lilungile, wanika umfana, wakhawuleza ukulilungisa.

8Wathabatha amasi, nobisi, nethole lenkomo abelilungisile, wabeka phambi kwawo, wema ngakuwo phantsi komthi lowo, adla.

9Athi kuye, Úphi na uSara umkakho?

10Wathi, Nanko ententeni. Yathi, Ndiya kubuyela kuwe, lakubuya eli xesha; yabona, uSara umkakho uya kuba nonyana. Weva uSara esemnyango wentente, wona esemva kwayo.

11Ke kaloku uAbraham noSara babesebaluphele, sebekhulile; kusekunqamkile kuSara okwendlela yabafazi.

12USara wahleka ngaphakathi kwakhe, esithi, Emveni kokuba ndihagele, ndisaya kuyolelwa na, nenkosi yam yaluphele nje?

13Wathi uYehova kuAbraham, Yini na ukuba uSara ahleke, esithi, Kuhleliwe nje ndiya kuzala na ndaluphele nje mna?

14Kukho nto ingamnqabelayo na uYehova? Ngexesha elimisiweyo ndiya kubuyela kuwe, lakubuya eli xesha, uSara abe nonyana.

15Wakhanyela uSara, esithi, Andihlekanga; kuba ebesoyika. Wathi yena, Hayi, ùhlekile.

UAbraham uthandazela iSodom

16Asuka ke amadoda lawo ondela eSodom; uAbraham ehamba nawo, ewaphelekelela.

17Wathi uYehova, Ndomfihlela na uAbraham into endiza kuyenza?

18Kanti uAbraham uya kuthi abe luhlanga olukhulu, olunamandla, zisikeleleke ngaye iintlanga zonke zehlabathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Kuba ndazé yena, ukuze abawisele umthetho abantwana bakhe, nendlu yakhe emva kwakhe, bagcine indlela kaYehova, benze ubulungisa nokusesikweni, ukuze uYehova amenzele uAbraham into ayithethileyo kuye.

20Wathi uYehova, Isikhalo saseSodom neGomora sisikhulu nje, nesono sayo sinzima kunene nje,

21ndiya kukha ndihle, ndikhangele ukuba baphelelisile na ngokwesikhalo sayo esifikileyo kum; ukuba akunjalo, ndazi.

22Ajika apho amadoda lawo, asinga eSodom; ke yena uAbraham wayesemi phambi koYehova.

23Wasondela uAbraham, wathi, Ungáde ubhebhethe olilungisa kunye nongendawo yini na?

24Hi, kwakho amashumi amahlanu amalungisa phakathi komzi; ungáde uyibhebhethe, ungayixoleli, loo ndawo yini na, ngenxa yamalungisa amashumi mahlanu akuyo?

25Makube lee kuwe ukwenza ngokwendawo enjalo ukubulala olilungisa kunye nongendawo, ilungisa libe njengongendawo; makube lee kuwe. Umgwebi wehlabathi lonke akayi kwenza okusesikweni yini na?

26Wathi uYehova, Ukuba ndithe ndafumana eSodom amalungisa amashumi mahlanu phakathi komzi, ndoyixolela yonke loo ndawo ngenxa yawo.

27Waphendula uAbraham, wathi, Khawubone, sendide ndathetha eNkosini, ndiluthuli nothuthu.

28Hi ke, kwasweleka isihlanu kumalungisa amashumi mahlanu, wowonakalisa ngenxa yesihlanu yini na wonke umzi? Yathi, Andiyi kuwonakalisa, ukuba ndithe ndafumana khona amashumi omané anesihlanu.

29Waphinda kanjalo wathetha kuye, wathi, Hi ke, kwafunyanwa khona amashumi omané? Yathi, Andiyi kukwenza ngenxa yamashumi omané.

30Wathi, Mayingabi namsindo iNkosi, khe ndithethe. Hi ke, kwafunyanwa khona amashumi omathathu? Yathi, Andiyi kukwenza, ukuba ndithe ndafumana khona amashumi omathathu.

31Wathi, Khawubone, sendide ndathetha eNkosini. Hi ke, kwafunyanwa khona amashumi omabini? Yathi, Andiyi kuwonakalisa ngenxa yamashumi omabini.

32Wathi, Mayingabi namsindo iNkosi, khendithethe esi sihlandlo sodwa. Hi ke, kwafunyanwa khona ishumi elinye? Yathi, Andiyi kuwonakalisa ngenxa yeshumi elinye.

33Wemka uYehova, akugqiba ukuthetha kuAbraham; uAbraham wabuyela endaweni yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IGenesis 19

ULote wamkela izithunywa ezibini eSodom

1Zafika izithunywa ezo zozibini eSodom ngokuhlwa, uLote ehleli esangweni leSodom.
ULote wazibona, wesuka waya kuzikhawulela, waqubuda ngobuso emhlabeni.

2Wathi, Khanibone, zinkosi zam! Khaniphambukele endlwini yomkhonzi wenu, nilale,
nihlambe iinyawo zenu, nivuke kusasa, nihambe indlela yenu. Zathi, Hayi, solala
esitratweni.

3Wazijoka kunene, zaphambukela kuye, zangena endlwini yakhe; wazenzela isidlo,
woja nezonka ezingenagwele, zadla.

4Ke kaloku, zingekalali, amadoda aloo mzi, amadoda aseSodom, ayirhawula indlu,
ethabathela kumfana esa kwixhego, bonke abantu bevela nasekupheleni kwawo.

5Bambiza uLote, bathi kuye, Aphi na amadoda angene kuwe ngobu busuku?
Wakhuphele kuthi, siwazi.

6Waphuma uLote waya kubo emnyango,

7waluvala ucango emva kwakhe, wathi, Musani ukwenza into embi, bazalwana.

8Khanibone, ndineentombi ezimbini ezingazani nandoda; mandikhuphele zona kuni,
nenze kuzo ngoko kulungileyo emehlweni enu. Ke kula madoda musani ukwenza nto,
kuba angene ngenxa yoko emthunzini wophahla lwam.

9Bathi, Khwelela; batsho bathi, Lo wezayo ngokuphambukela uhlala egweba; ngoku
sokuphatha kakubi wena kunawo. Besuka indulumbane phezu kwendoda uLote,
basondela, beza kuluqhekeza ucango.

10Amadoda lawo asolula isandla sawo, amngenisa uLote kuwo endlwini, aluvala
ucango.

11Awabetha ngobumfama amadoda abesemnyango wendlu, ethabathela
kwencinane esa kwenkulu, azidinisa ke ukufuna umnyango.

Ukutshatyalaliswa kweSodom neGomora; intsabo kaLote

12Athi amadoda lawo kuLote, Ùsenabani na apha? Umyeni, noonyana bakho,
neentombi zakho, nabo bonke onabo kulo mzi, bakhuphe kule ndawo;

13ngokuba siya kuyonakalisa le ndawo, ngokuba síkhulu isikhalo sabo ebusweni
bukaYehova. UYehova usithume ukuba siyonakalise.

14Waphuma uLote, wathetha kubayeni beentombi zakhe, abaya kuzeka iintombi
zakhe, wathi, Sukani, niphume kule ndawo; ngokuba uYehova uya kuwonakalisa lo
mzi. Ùsuke waba njengohlekisayo emehlweni abayeni beentombi zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Izithunywa zamngxamisa uLote ngesifingo, zathi, Vuka, thabatha umkakho, neentombi zakho zombini, aba banokufumaneka, hleze ubhebhethwe ngobugwenxa baló mzi.

16Wazilazila; amadoda abamba isandla sakhe, nesandla somkakhe, nesandla seentombi zakhe zombini; uYehova emvela, amkhupha, amyeka ngaphandle komzi.

17Akuba emkhuphele phandle, athi, Zisindise ngenxa yomphefumlo wakho. Musa ukubheka emva kwakho, musa ukuma kuwo wonke lo mmandla; zisindise ngokuya entabeni, hleze ubhebhethwe.

18Wathi kuwo uLote, Hayi, Nkosi yam.

19Khawubone, umkhonzi wakho umbabale. Ùyikhulisile inceba yakho ondenzeleyo, ukuba uwusindise umphefumlo wam; mna ke andinako ukuzisindisa ngokuya entabeni, hleze ndinanyathelwe bububi, ndife.

20Khawubone, lo mzi ukufuphi, ukuba kubalekelwe kuwo, mncinane; ndanga ndingazisindisa ngokuya kuwo (awumncinane na?), usinde umphefumlo wam.

21Wathi kuye, Yabona, ndikunonelele nangale nto, ukuba ndingawubhukuqi lo mzi uthethe ngawo.

22Khawuleza, zisindise ngokuya khona, kuba andinakwenza nto ude ufike khona. Ngenxa yoko igama laloo mzi kwathiwa yiTsohare.

23Ilanga lalise liphumile phezu kwehlabathi, ukufika kukaLote eTsohare.

24Wanisa ke uYehova phezu kweSodom neGomora isulfure nomlilo ophuma kuYehova emazulwini;

25wayibhukuqa loo mizi, nawo wonke loo mmandla, nabo bonke abemi baloo mizi, nesihlumo somhlaba.

26Kodwa umkakhe, esemva kwakhe, wakhangela ngasemva, waba yintsika yetyuwa.

27UAbraham wavuka kusasa, waya kuloo ndawo wayemi kuyo ebusweni bukaYehova.

28Wondela eSodom neGomora, nakulo lonke ilizwe laloo mmandla. Wakhangela; nango unyuka umsi welo zwe, njengomsi weziko lemfutho.

29Kwathi, xenikweni uThixo wayonakalisayo imizi yaloo mmandla, uThixo wamkhumbula uAbraham, wamkhupha uLote phakathi kobhukuqo olo, ekuyibhukuqeni imizi leyo abehleli kuyo uLote.

30Wenyuka uLote ephuma eTsohare, wahlala entabeni, eneentombi zakhe zombini, kuba ebesoyika ukuhlala eTsohare; wahlala emqolombeni, yena neentombi zakhe zombini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Yathi eyamazibulo kwencinane, Ubawo waluphele; akukho ndoda ezweni apha yokusingena ngokwendlela yehlabathi lonke;

32yiza, simseze ubawo iwayini, silale naye, sigcine imbewu ngobawo.

33Zamseza ke uyise iwayini ngobo busuku; yangena eyamazibulo, yalala noyise; akayazanga yena ukulala kwayo nokuvuka kwayo.

34Kwathi ngengomso, yathi eyamazibulo kwencinane, Yabona, ndilele nobawo phezolo; masimseze iwayini nangobu busuku, ungene, ulale naye, ukuba sigcine imbewu ngobawo.

35Zamseza ke uyise iwayini nangobo busuku, yasuka encinane yalala naye; akayazanga yena ukulala kwayo nokuvuka kwayo.

36Zamitha zombini iintombi zikaLote ngoyise.

37Eyamazibulo yazala unyana, yambiza ngegama elinguMowabhi; yena nguyise wamaMowabhi unanamhla.

38Nencinane yazala unyana, yambiza ngegama elinguBhen-ami; yena nguyise wonyana baka-Amon unanamhla.

IGenesis 20

UAbraham ukhanyela ukuba uSara ungumkakhe

1Ke kaloku uAbraham wanduluka apho, waya ezweni lasezantsi, wahlala phakathi kweKadeshe neShure, waphambukela eGerare.

2Wathi uAbraham ngoSara umkakhe, Ngudade wethu. UAbhimeleki ukumkani waseGerare wathuma, wamthabatha uSara.

3Weza uThixo kuAbhimeleki ngephupha ebusuku, wathi kuye, Ùyabona, ufile ngenxa yomfazi omthabathileyo; ngumkamntu.

4Ke uAbhimeleki ubengasondelanga kuye; wathi, Nkosi, nolunobulungisa uhlanga wòlubulala, yini na?

5Akatshongo na yena kum ukuthi, Ngudade wethu, naye ngokwakhe wathi, Ngumnakwethu? Le nto ndiyenzé ngentliziyo yam ígqibelele, nangezandla zam zímsulwa.

6Wathi uThixo kuye ngephupha, Nam ndiyazi ukuba uyenzé le nto ngentliziyo yakho igqibelele. Ndakunqanda nam, ukuba ungoni kum; ngenxa yoko andikuvumelanga ukuba umchukumise.

7Ngoko mbuyise umfazi wale ndoda, ngokuba ingumprofeti; yókuthandazela ukuba uphile; ukuba uthe akwambuyisa, yazi ukuba ùya kufa, wena nabo bonke onabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wavuka kwakusasa uAbhimeleki, wababiza bonke abakhonzi bakhe, wawathetha onke la mazwi ezindlebeni zabo. Oyika kakhulu loo madoda.

9UAbhimeleki wambiza uAbraham, wathi kuye, Yintoni na le nto uyenzileyo kuthi? Ndikoné ngantoni na, ukuba undizisele mna nobukumkani bam isono esingaka? Wenzé kum izenzo ezingezakwenziwa.

10Wathi uAbhimeleki kuAbraham, Ubone ntoni na, ukuba uyenze le nto?

11Wathi uAbraham, Ndithe, akukho kanye ukoyika uThixo kule ndawo; baya kundibulala ngenxa yomkam.

12Okwenene ngudade wethu; yintombi kabawo, kodwa akantombi kama, waba ngumkam ke.

13Kwathi, uThixo akundiphambukisa, andikhuphe endlwini kabawo, ndathi kuye, Nantsi inceba owondenzela yona: ezindaweni zonke esofika kuzo, uze uthi ngam, Ngumnakwethu.

14UAbhimeleki wathabatha impahla emfutshane, neenkomo, nabakhonzi, nabakhonzazana, wanika uAbraham; wambuyisela uSara umkakhe kuye.

15Wathi uAbhimeleki, Nali ilizwe lam, liphambi kwakho; hlala apho kulungileyo emehlweni akho.

16Wathi kuSara, Yabona, umnakwenu ndimnike iwaka lesilivere; yabona, sisigqubuthelo samehlo kuwe, ngokusingisele kubo bonke abanawe; naphakathi kwabo bonke úgwetyelwe.

17Wathandaza uAbraham kuThixo; uThixo wamphilisa uAbhimeleki, nomkakhe, nabakhonzazana bakhe, bazala.

18Ngokuba uYehova ubezivingcile kanye zonke izizalo endlwini ka-Abhimeleki, ngenxa kaSara, umka-Abraham.

IGenesis 21

Ukuzalwa kukaIsake

1Ke kaloku uYehova wamvelela uSara njengoko ebetshilo; uYehova wamenzela uSara njengoko abekuthethile.

2Wamitha ke uSara, wamzalela uAbraham unyana ekwaluphaleni kwakhe, ngexesha elimisiweyo abelithethile uThixo kuye.

3UAbraham wamthiya loo nyana wakhe abemzalelwe, awamzalayo uSara, igama elinguIsake.

4UAbraham wamalùsa uIsake unyana wakhe, akuba ntsuku zisibhozo ezelwe, njengoko uThixo abemwisele umthetho.

5UAbraham ube eminyaka ilikhulu, ukuzalelwa kwakhe uIsake unyana wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi uSara, Úndihlekisile uThixo; bonke abakuvayo oku baya kuhleka nam.

7Wathi, Nugbani na obengátshoyo kuAbraham ukuthi, uSara wanyisa abantwana? Ngokuba ndimzalele unyana ekwaluphaleni kwakhe.

8Wakhula umntwana, walunyulwa; uAbraham wenza isidlo esikhulu mhlana walunyulwayo uIsake.

Ukugxothwa kukaHagare noIshmayeli

9USara wambona unyana kaHagare umYiputazana, awamzalela uAbraham, ehlekisa.

10Wathi kuAbraham, Mgxothe umkhonzazana nonyana wakhe; kuba unyana waló mkhonzazana akayi kulidla ilifa ndawonye nonyana wam uIsake.

11Lâlibi kunene elo zwi emehlweni ka-Abraham ngenxa yonyana wakhe.

12Wathi uThixo kuAbraham, Malingabi libi emehlweni akho ngenxa yenkwenkwe, nangenxa yomkhonzazana wakho. Entweni yonke ayithethileyo uSara kuwe, phulaphula izwi lakhe, ngokuba iya kuba ngoIsake lo imbewu kuwe.

13Kananjalo unyana womkhonzazana ndiya kumenza uhlanga, ngokuba eyimbewu yakho.

14Wavuka kusasa uAbraham, wathabatha isonka nentsuba yamanzi, wanika uHagare, ebeka emagxeni akhe, nenkwenkwe, wamndulula. Wemka ke, wandwendwela entlango yaseBher-shebha.

15Aphela amanzi entsubeni, wayiphosa inkwenkwe phantsi kwetyholo.

16Waya wahlala phantsi malunga nayo, umgama ongangowokutola ngotolo; kuba wathi, Mandingakuboni ukufa kwenkwenkwe. Wahlala phantsi malunga nayo ke, waphakamisa izwi lakhe, walila.

17Waliva uThixo ilizwi lenkwenkwe. Samemeza isithunywa sikaThixo kuHagare sisemazulwini, sathi kuye, Ùnantoni na, Hagare? Musa ukoyika, ngokuba uThixo ulivile ilizwi lenkwenkwe apho ikhona.

18Suka ume, uyithabathe inkwenkwe, uyibambe ngesandla; kuba ndiya kuyenza uhlanga olukhulu.

19UThixo wawavula amehlo akhe, wabona iqula lamanzi; waya wayizalisa intsuba ngamanzi, wayiseza inkwenkwe.

20UThixo waba nenkwenkwe leyo; yakhula, yahlala entlango, yaba yintoli yakukhula, yahlala entlango yaseParan;

21unina wayithabathela umfazi ezweni laseYiputa.

Umnqophiso phakathi koAbraham noAbhimeleki

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Kwathi ngelo xesha, wathetha uAbhimeleki, noFikolo umthetheli womkhosi wakhe, kuAbraham, esithi, UThixo unawe entweni yonke osukuba uyenza.

23Ngoko ndífungele uThixo apha, ukuba akuyi kundixokisa mna, noonyana bam, nenzalo yam; wòthi ngokwenceba endiyenzileyo kuwe, wenze kum, nakwilizwe ophambukele kulo.

24Wathi uAbraham, Mna ndofunga.

25UAbraham wamohlwaya uAbhimeleki ngenxa yequla lamanzi elalihluthwe ngabakhonzi baka-Abhimeleki.

26Wathi uAbhimeleki, Bendingazi ukuba yenziwe ngubani na le nto; nawe ube ungandixelelanga; nam bendingayivanga, ndiyiva namhla.

27UAbraham wathabatha impahla emfutshane, neenkomo, wanika uAbhimeleki, benza umnqophiso bobabini.

28UAbraham wamisa amathokazi ezimvu asixhenxe omhlambi, aba wodwa.

29Wathi uAbhimeleki kuAbraham, Ayintoni na la mathokazi ezimvu asixhenxe uwamisileyo odwa?

30Wathi, La mathokazi ezimvu asixhenxe wòwathabatha esandleni sam, abe bubungqina bam bokuba ndilimbile eli qula.

31Ngenxa yoko kwathiwa loo ndawo yiBher-shebha; ngokuba kulapho bafungayo bobabini.

32Benza ke umnqophiso eBher-shebha. Wesuka uAbhimeleki, noFikolo umthetheli womkhosi wakhe, babuyela ezweni lamaFilisti.

33UAbraham watyala umtamariske eBher-shebha, walinqula khona igama likaYehova uThixo ongunaphakade.

34UAbraham waye engumphambukeli ezweni lamaFilisti imihla emininzi.

IGenesis 22

Ukulingwa kokholo luka-Abraham ngokumenza idini uIsake

1Kwathi emveni kwezo nto, uThixo wamvavanya uAbraham, wathi kuye, Abraham; wathi yena, Ndilapha.

2Wathi, Khawuthabathe unyana wakho, emnye kuwe, omthandayo, uIsake, uhambe uye ezweni laseMoriya, umnyuse khona abe lidini elinyukayo, phezu kwentaba endokuxelela yona.

3Wavuka uAbraham kusasa, walibopha iesile lakhe, wathabatha amabini kumadodana akhe, noIsake unyana wakhe, wacanda iinkuni zedini elinyukayo, wesuka waya endaweni abemxelele yona uThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ngomhla wesithathu uAbraham wawaphakamisa amehlo akhe, wayibona loo ndawo ikude.

5Wathi uAbraham kumadodana akhe, Hlalani nina apha ne-esile; mna nomfana lo soya phaya, sinqule, sibuye size kuni.

6Wazithabatha uAbraham iinkuni zedini elinyukayo, wazibeka phezu koIsake unyana wakhe, waphatha umlilo ngesandla, nesitshetshe, bahamba bobabini ndawonye.

7Watsho uIsake kuAbraham uyise ukuthi, Bawo. Wathi yena, Ndilapha, nyana wam. Wathi, Nangu umlilo neenkuni; iphi na ke imvu yedini elinyukayo?

8Wathi uAbraham, UThixo wozibonela imvu yedini elinyukayo, nyana wam. Bahamba bobabini ndawonye.

9Bafika endaweni abemxelele yona uThixo, wákha khona uAbraham isibingelelo, wazicwangcisa iinkuni, wambopha uIsake unyana wakhe, wambeka esibingelelweni phezu kweenkuni.

10Wasolula uAbraham isandla sakhe, wathabatha isitshetshe, ukuba amsike unyana wakhe.

11Samemeza kuye isithunywa sikaYehova sisemazulwini, sathi, Abraham, Abraham.

12Wathi, Ndilapha. Sathi, Musa ukusisa isandla sakho kumfana, musa ukumenza nto, kuba ndiyazi ngoku ukuba ùyamoyika uThixo; akunqabanga nonyana wakho kum, emnye kuwe.

13UAbraham waphakamisa amehlo akhe, wakhangela, nantso inkunzi yegusha ngasemva, ibambeke ngeempondo etyholweni; waya uAbraham, wayithabatha inkunzi yegusha, wayinyusa ukuba ibe lidini elinyukayo esikhundleni sonyana wakhe.

14UAbraham wathi igama laloo ndawo linguYehova-ozibonelayo, ekuthiwa nanamhla, Entabeni abonakala kuyo uYehova.

15Samemeza isithunywa sikaYehova kuAbraham okwesibini sisemazulwini, sathi,

16Ndizifungile, utsho uYehova, ngenxa enokuba uyenzile le nto, akwanqaba nonyana wakho, emnye kuwe:

17ukuba ndiya kukusikelela ndikusikelele; ndiya kuyandisa ndiyandise imbewu yakho njengeenkwenkwezi zezulu, nanjengentlabathi eselunxwemeni lolwandle; imbewu yakho ilidle ilifa isango leentshaba zayo;

18zisikelelwe ngembewu yakho zonke iintlanga zehlabathi, ngenxa enokuba uliphulaphule ilizwi lam.

19Wabuyela uAbraham kumadodana akhe, besuka baya bendawonye eBhershebha, wahlala uAbraham eBhershebha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Kwathi emva kwezi zinto, kwaxelwa kuAbraham kwathiwa, Yabona, uMilka ukwazele naye kuNahore, umninawa wakho, abantwana:

21u-Utse owamazibulo akhe, noBhuzi umninawa wakhe, noKemuweli uyise ka-Aram,

22noKesede, noHazo, noPildashe, noYidelafu,

23noBhetuweli (uBhetuweli ke wazala uRebheka); abo bosibhozo uMilka wamzalela uNahore, umninawa ka-Abraham.

24Ishweshwe lakhe, eligama linguRehuma, lazala nalo uTebha, noGaham, noTahashe, noMahaka.

IGenesis 23

Ukufa kukaSara nokungcwatywa kwakhe eMakapela

1Ke kaloku ukudla ubomi kukaSara kwaba yiminyaka elikhulu elinamanci mabini aneminyaka esixhenxe; yiyo iminyaka yokudla ubomi kukaSara.

2Wafa ke uSara eKiriyati ka-Arbha, eyiHebron, ezweni lakwaKanan. UAbraham waya kumbambazelela uSara nokumlilela.

3Wesuka uAbraham ebusweni bomfikazi lowo,

4wathetha koonyana bakaHeti, esithi, Ndingumphambukeli, ndilundwendwe kuni; ndinikeni ndibe nendawo yam yokungcwaba phakathi kwenu, ukuze ndimngcwabe umfikazi, angabikho phambi kwam.

5Bamphendula uAbraham oonyana bakaHeti, bathi kuye, Síve, nkosi yam!

6Ùsisikhulu sakwaThixo phakathi kwethu; kwelona linyulekayo kumangcwaba ethu, mngcwabe umfikazi lowo; akukho bani kuthi uya kwala nengcwaba lakhe, ukuba ungamngcwabi umfikazi lowo.

7Wesuka uAbraham, waqubuda kubantu belizwe elo, koonyana bakaHeti abo.

8Wathetha nabo esithi, Ukuba kusemphefumlweni wenu, ukuba ndimngcwabe umfikazi, angabikho phambi kwam, ndiveni, nindibongozele kuEfron, unyana ka Tsohare,

9ukuba andinike umqolomba waseMakapela, lowo anawo, osekupheleni kwentsimi yakhe, andinike wona ngemali ezalisekileyo; ube yindawo yam yokungcwaba phakathi kwenu.

10UEfron wayehleli phakathi koonyana bakaHeti; uEfron umHeti wamphendula uAbraham ezindlebeni zoonyana bakaHeti, zabo bonke abangénayo ngesango lomzi wakhe, esithi, Hayi, nkosi yam, ndíve!

11Intsimi leyo ndiyakunika, nomqolomba okuyo ndiyakunika; emehlweni oonyana babantu bakowethu ndiyakunika; ngcwaba umfikizi lowo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Waqubuda uAbraham phambi kwabantu belizwe elo.

13Wathetha kuEfron ezindlebeni zabantu belizwe elo, wathi, Wanga ungándiva; ndikunika imali ngentsimi; yithabathe kum, ndingcwabe umfikazi khona.

14UEfron wamphendula uAbraham, wathi kuye,

15Nkosi yam, ndíve! Umhlaba ngoweeshekele zesilivere ezimakhulu mané. Yintoni na loo nto phakathi kwam nawe? Ngcwaba ke umfikazi lowo.

16UAbraham wamphulaphula uEfron; uAbraham wamlinganisela uEfron isilivere leyo, abethethe ngayo ezindlebeni zoonyana bakaHeti, amakhulu omané eeshekele zesilivere evunywayo ngumrhwebi.

17Yaqiniseka ke intsimi kaEfron eseMakapela ephambi kowakwaMamre, intsimi leyo nomqolomba okuyo, nemithi yonke esentsimini, ekuyo yonke imilima-ndlela ngeenxa zonke.

18Yaba yinzuzo kuAbraham emehlweni oonyana bakaHeti, kubo bonke abangénayo ngesango lomzi wakhe.

19Emveni koko uAbraham wamngcwaba uSara umkakhe emqolombeni wentsimi yaseMakapela phambi kowakwaMamre, kowaseHebron leyo, ezweni lakwaKanan.

20Yaqiniseka ke intsimi leyo nomqolomba okuyo kuAbraham, ukuze abe nendawo yakhe yokungcwaba, ngoonyana bakaHeti.

IGenesis 24

Ukwendela kukaRebheka kuIsake

1Ke kaloku uAbraham ebaluphele, eselekhulile ebudaleni; uYehova waye emsikelele ke uAbraham ezintweni zonke.

2Wathi uAbraham kumkhonzi wakhe, oyena mkhulu endlwini yakhe, obelawula zonke izinto abenazo, Khawubeke isandla sakho phantsi kwethangá lam,

3ndikufùngise uYehova uThixo wamazulu, uThixo wehlabathi, ukuba akuyi kumzekela unyana wam umfazi ezintombini zamaKanan, endihleli phakathi kwawo;

4ukuba wòya ezweni lakowethu, nakwelokuzalwa kwam, umzekele unyana wam uIsake umfazi.

5Wathi umkhonzi kuye, Hi ke, àyavuma inkazana ukundilandela ukuza kweli lizwe, ndombuyisela na unyana wakho kwelo zwe wàphuma kulo wena?

6Wathi uAbraham kuye, Zilumkele ungambuyiseli unyana wam khona.

7UYehova, uThixo wamazulu, owandithabathayo endlwini kabawo, ezweni lokuzalwa kwam, owathethayo kum, owandifungelayo esithi, Imbewu yakho ndiya kuyinika eli

© 1975 Bible Society of South Africa.

lizwe, yena wosithuma isithunywa sakhe phambi kwakho, umzekele umfazi unyana wam khona.

8Ukuba ke inkazana leyo ithe àyavuma ukukulandela, woba ukhululekile kwesi sifungo sam; kodwa uze umgambuyiseli umyana wam khona.

9Wasibeka umkhonzi isandla sakhe ngaphantsi kwethangá lika-Abraham inkosi yakhe, wamfungela loo nto.

10Umkhonzi wathabatha iinkamela ezilishumi kwiinkamela zenkosi yakhe, wemka enezinto zonke ezilungileyo zenkosi yakhe esandleni sakhe, wesuka waya kwa-Aram, phakathi kweMilambo, emzini kaNahore.

11Waziguqisa iinkamela ngaphandle komzi, ngasequleni lamanzi, ngexa langokuhlwa, ngexa lokuphuma kwabakhi bamanzi.

12Wathi, Yehova, Thixo wenkosi yam uAbraham, mawundithamsanqele namhla, uyenzele inkosi yam uAbraham inceba.

13Yabona, ndimi ngasemthonjeni wamanzi; iintombi zabantu balo mzi ziyaphuma, ziza kukha amanzi.

14Ke intombi endothi kuyo, Khawuthobe umphanda wakho, ndisele; ize ithi, Sela, neenkamela zakho ndoziseza nazo: mayibe yiyo oyimisele umkhonzi wakho uIsake; ndazi mna ngoko, ukuba uyenzele inkosi yam inceba.

15Kwathi, ingekagqibi ukuthetha, gqi uRebheka esiza, lowo wazalwayo nguBhetuweli, unyana kaMilka, umkaNahore, umninawa ka-Abraham, enomphanda wakhe egxalabeni lakhe.

16Intombi leyo ibe intle kunene imbonakalo, intombi eyintombi, engaziwanga ndoda; yehla, yeza emthonjeni, yawuzalisa umphanda wayo, yenyuka.

17Wagidima umkhonzi waya kuyikhawulela, wathi, Ndiphe ndisele intwana yamanzi emphandeni wakho.

18Yathi, Sela, nkosi yam. Yakhawuleza, yawuhlisela esandleni umphanda wayo, yamseza.

19Yakugqiba ukumseza, yathi, Neenkamela zakho ndiya kuzikhelela, zide zigqibe ukusela.

20Yakhawuleza, yawugalela umphanda wayo emkhombeni wokuseza, yagidima yaya kukha futhi equleni, yazikhelela zonke iinkamela zakhe.

21Indoda leyo yee nqa yiyo, ithe cwaka, ukuze yazi ukuba uYehova uyiphumlelisile indlela yayo, akayiphumelelisanga, kusini na.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Kwathi, iinkamela zigqibile ukusela, indoda leyo yathabatha ijikazi lempumlo legolide, elisisiqingatha seshekele ubunzima balo, nezacholo zozibini zokufakwa ezandleni, eziziishekele ezilishumi zegolide ubunzima bazo; yathi,

23Ùyintombi kabani na wena? Khawundixelele; kukho ndawo na yokulala endlwini kayihlo?

24Yathi kuye, Ndiyintombi kaBhetuweli, unyana kaMilka, awamzalela uNahore.

25Yathi kuye, Sínawo umququ kwaneendiza ezaneleyo, nendawo yokulala.

26Yathoba indoda leyo, yaqubuda kuYehova.

27Yathi, Makabongwe uYehova, uThixo wenkosi yam uAbraham, ongayiyekelelanga inceba yakhe nenyaniso yakhe, imke enkosini yam: úthe ndisendleleni, uYehova wandikhokelela endlwini yabazalwana benkosi yam.

28Yakhawuleza intombi leyo, yaxelela indlu kanina ngokwalá mazwi.

29URebheka waye enomnakwabo, ogama linguLabhan; wagidima uLabhan waya endodeni leyo ngaphandle emthonjeni.

30Ke kwathi, akulibona ijikazi lempumlo, nezacholo ezandleni zodade wabo, wathi, akuweva amazwi kaRebheka udade wabo, esithi, Yenjenje indoda le ukuthetha kum: waya kuyo indoda, nantso imi ngasezinkameleni ngasemthonjeni.

31Wathi, Yiza, wena usikelelweyo nguYehova; ùmeleni na ngaphandle? Mna ndiyilungisile indlu nendawo yeenkamela.

32Yangena indoda leyo endlwini, wazikhulula iinkamela zayo; iinkamela wazinika umququ neendiza, wayinika amanzi okuhlamba iinyawo zayo, neenyawo zamadoda abenayo.

33Kwabekwa ukudla phambi kwayo. Yathi yona, Andiyi kudla, ndide ndilithethe ilizwi lam. Wathi, Thetha.

34Yathi, Ndingumkhonzi ka-Abraham.

35UYehova uyisikelele kunene inkosi yam; wayikhulisa, wayinika impahla emfutshane, neenkomo, nesilivere, negolide, nabakhonzi, nabakhonzazana, neenkamela, namaesile.

36Ke uSara, umfazi wenkosi yam, wayizalela inkosi yam unyana, emveni kokuba iseyaluphele. Imnike zonke izinto enazo.

37Yandifungisa ke inkosi yam, isithi, Unyana wam uze ungamzekeli umfazi ezintombini zamaKanan, endihleli ezweni lawo mna.

38Suka uye endlwini kabawo emizalwaneni yakowethu, umzekele unyana wam umfazi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Ndathi enkosini yam, Hi ke, àyandilandela inkazana leyo?

40Yathi kum, UYehova, endihamba phambi kwakhe, wósithuma isithunywa sakhe siye nawe, ayenze ibe nempumelelo indlela yakho, umzekele unyana wam umfazi emizalwaneni yakowethu, nasendlwini kabawo;

41wandule ukuba msulwa esifungweni sam, xa ufikileyo emizalwaneni yakowethu; ukuba abathanga bakunike, woba msulwa esifungweni sam.

42Ndifikile ke namhlanje emthonjeni, ndathi, Yehova, Thixo wenkosi yam uAbraham, ukuba kaloku uyenzé yanempumelelo indlela yam endihamba ngayo,

43yabona, ndimi ngasemthonjeni wamanzi; ke intombi ephuma isiza kukha, ndithi kuyo, Khawundiphe ndisele intwana yamanzi emphandeni wakho; ithi kum.

44Sela wena, neenkamela zakho ndozikhelela nazo: mayibe yiyo engumfazi uYehova ammiseleyo unyana wenkosi yam.

45Ndingekagqibi mna ukuthetha entliziyweni yam, gqi uRebheka, esiza enomphanda egxalabeni lakhe, wehla waya emthonjeni, wakha; ndathi kuye, Khawundiphe ndisele.

46Wakhawuleza, wawuhlisa umphanda wakhe kuye, wathi, Sela, neenkamela zakho ndoziseza. Ndasela ke, waziseza neenkamela.

47Ndambuza ndathi, Ùyintombi kabani na? Wathi, Ndiyintombi kaBhetuweli, unyana kaNahore, lowo wamzalelwa nguMilka. Ndamfaka ke ijikazi lempumlo ethatheni lakhe, nezacholo ezandleni zakhe.

48Ndathoba, ndamnqula uYehova, ndambonga uYehova, uThixo wenkosi yam uAbraham, ondikhokeleyo endleleni eyinyaniso, ukuba ndimzekele unyana wakhe intombi yomzalwana wenkosi yam.

49Ngoku ke, ukuba niyayenzela inceba nenyaniso inkosi yam, ndixeleleni; ukuba anenjenjalo, ndixeleleni; ukuze ndibheke ekunene, nokuba kusekhohlo.

50Waphendula uLabhan noBhetuweli, bathi, Le nto iphuma kuYehova; asinakuthetha nto kuwe, nokuba yembi nokuba yelungileyo.

51Nanko uRebheka phambi kwakho. Mthabathe, uhambe, abe ngumfazi wonyana wenkosi yakho, njengoko akuthethileyo uYehova.

52Kwathi, akuweva umkhonzi ka-Abraham amazwi abo, waqubuda emhlabeni kuYehova.

53Umkhonzi wavelisa impahla yesilivere, nempahla yegolide, nezambatho, wanika uRebheka; wanika umnakwabo nonina izinto ezinconywayo.

54Badla, basela, yena namadoda abenaye, balala, bavuka kusasa, wathi, Ndindululeni ndiye enkosini yam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

55Wathi umnakwabo nonina, Makhe ihlale intombi nathi iintsuku nokuba zilishumi, ihambe ke emveni koko.

56Wathi kubo, Musani ukundibambezela; uYehova uyenze yanempumelelo indlela yam; ndindululeni ndiye enkosini yam.

57Bathi, Masiyibize intombi, sive ngomlomo wayo.

58Bambiza uRebheka, bathi kuye, Ùya kuhamba na nale ndoda? Wathi, Ndohamba.

59Bamndulula ke uRebheka udade wabo, nomanyisikazi wakhe, nomkhonzi ka-Abraham, namadoda abenaye.

60Bamsikelela uRebheka, bathi kuye, Ùngudade wethu; yiba ngamawakawaka, imbewu yakho ilidle ilifa isango lâbo bayithiyayo.

61Wesuka uRebheka nomthinjana wakhe, bakhwela ezinkameleni, balandela emva kwendoda leyo. Umkhonzi wamthabatha ke uRebheka, wemka.

62Ke kaloku uIsake weza ngendlela evela equleni likaPhila-ebonile; kuba ebemi ezweni lasezantsi.

63Waphuma uIsake, waya kucamngca entsimini, xa kuhlwayo; wawaphakamisa amehlo akhe, wabona nanzo iinkamela zisiza.

64URebheka wawaphakamisa amehlo akhe, wambona uIsake, waziphosa phantsi, wehla enkameleni. Wathi kumkhonzi, Ngubani na laa mfo uhambayo entsimini, esiza kusikhawulela?

65Wathi kumkhonzi, Ngubani na laa mfo uhambayo entsimini, esiza kusikhawulela? Wathi umkhonzi, Yinkosi yam. Wathabatha ke isigqubuthelo, wazigqubuthela.

66Umkhonzi wamxelela uIsake izinto zonke abezenzile.

67UIsake wamsa ententeni kaSara unina, wamzeka uRebheka, waba ngumkakhe; wamthanda. UIsake wathuthuzeleka ke ngenxa yonina.

IGenesis 25

Ukufa kuka-Abraham

1Wabuya uAbraham wazeka umfazi; igama lakhe lalinguKetura.

2-3Wamzalela uZimran, noYokeshan, noMedan, noMidiyan, noIshibhaki, noShuwa. UYokeshan wazala uShebha noDedan; oonyana bakaDedan bebengama-Asiriya, namaLetushi, namaLehum.

4Oonyana bakaMidiyan nguEfa, noEfere, noEnoki, noAbhida, noElidaha. Bonke abo ngoonyana bakaKetura.

5UAbraham wazinika uIsake zonke izinto abenazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ke oonyana bamashweshwe, abenawo uAbraham, wabanika izipho uAbraham; wabandulula, bemka kuIsake unyana wakhe, esekho, basinga empumalanga, ezweni lasempumalanga.

7Yiyo le imihla yeminyaka yokudla ubomi kuka-Abraham awayidlayo; yiminyaka elikhulu elinamanci asixhenxe aneminyaka emihlanu.

8UAbraham waphuma umphefumlo, wafa, eyingwevu enkulu, aluphele, ephele ebudaleni; wahlanganiselwa kwabakowabo.

9OoIsake noIshmayeli, oonyana bakhe, bamngcwaba emqolombeni waseMakapela, entsimini kaEfron unyana kaTsohare, umHeti, phambi kowakwaMamre,

10entsimini leyo wayithengayo uAbraham koonyana bakaHeti. Ungcwatyelwe khona uAbraham, noSara umkakhe.

11Kwathi, emveni kokufa kuka-Abraham, uThixo wamsikelela uIsake unyana wakhe; uIsake wahlala ngasequleni likaPhila-ebonile.

12Yiyo le ke inzala kaIshmayeli, unyana ka-Abraham, awathi uHagare umYiputazana, umkhonzazana kaSara, wamzalela uAbraham.

13Ngawo la amagama oonyana bakaIshmayeli, ngamagama abo ngokwenzala yabo: owamazibulo kaIshmayeli nguNebhayoti, noKedare,

14noAdebhele, noMibhesam, noMishma, noDuma, noMasa;

15uHadade, noTema, noYeture, noNafishi, noKedema.

16Ngabo abo oonyana bakaIshmayeli, ngawo lawo amagama abo ngemizi yabo, nangeengqili zabo, izikhulu ezilishumi elinazibini ngokwezizwe zazo.

17Yiyo le iminyaka yokudla ubomi kukaIshmayeli: iminyaka elikhulu elinamanci mathathu, aneminyaka esixhenxe. Waphuma umphefumlo, wafa, wahlanganiselwa kwabakowabo.

18Bema bethabathela eHavila besa eShure, phambi kweYiputa, ukusinga kwelakwa-Asiriya. Wazihlalisa ebusweni babo bonke abazalwana bakhe.

Ukuzalwa koEsawu noYakobi nobutsha babo

19Yiyo le ke inzala kaIsake, unyana ka-Abraham. UAbraham wazala uIsake.

20UIsake waye eminyaka ingamashumi omané ezelwe, ukuzeka kwakhe uRebheka, intombi kaBhetuweli, umAram wasePadan-aram, udade boLabhan umAram, ukuba abe ngumkakhe.

21Wathandaza uIsake kuYehova mayela nomkakhe, ngokuba ebengazali. Wathandazeka uYehova, wamitha uRebheka umkakhe.

22Batyhalana abantwana embilinini wakhe, wathi, Ukuba kunjalo, yini na ukuba ndibe nje? Waya kubuza kuYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Wathi uYehova kuye, Zimbini iintlanga esizalweni sakho; Kuya kwahluka zizwe
zibini esiswini sakho, Esinye somelele ngaphezu kwesinye; Omkhulu uya kukhonza
omnci.

24Yazaliseka ke imihla yakhe yokuzala, nanko, ingamawele esizalweni sakhe.

25Laphuma elokuqala lingqombela, lonke liphela njengengubo exhonti; balithiya
igama elinguEsawu.

26Emveni koko kwaphuma umninawa walo, isandla sakhe sibambe isithende
sikaEsawu, wamthiya igama elinguYakobi. UIsake wayeminyaka imashumi
mathandathu ezelwe, ukuzalwa kwabo.

27Akhula ke amakhwenkwe; uEsawu waba lizingela, indoda yasendle; uYakobi waba
yindoda egqibeleleyo, ihleli ezintenteni.

28UIsake wathanda uEsawu, ngokuba inyamakazi ibimnandi emlonyeni wakhe; ke
yena uRebheka wathanda uYakobi.

29UYakobi wayepheke ukudla; wafika uEsawu evela ezindle, etyhafile.

30Wathi uEsawu kuYakobi, Khawundiphe ndiginye kwinto engqombela, loo nto
ingqombela, kuba ndityhafile; ngenxa yoko kwathiwa igama lakhe nguEdom.

31Wathi uYakobi, Thengisa namhlanje ngobuzibulo bakho kum.

32Wathi uEsawu, Yabona, ndiza kufa; buyintoni na kum ubuzibulo?

33Wathi uYakobi, Ndífungele namhlanje. Wamfungela; wathengisa ke ngobuzibulo
bakhe kuYakobi.

34UYakobi wamnika uEsawu isonka neentlumayo eziphekiweyo; wadla, wasela,
wesuka wemka; wabudela ke uEsawu ubuzibulo bakhe.

IGenesis 26

UIsake eGerare; umnqophiso noAbhimeleki

1Kwabakho indlala ezweni, ngaphandle kweyokuqala indlala, eyayikho ngemihla ka-
Abraham; waya uIsake uAbhimeleki, ukumkani wamaFilisti, eGerare.

2UYehova wabonakala kuye, wathi, Musa ukuhla uye eYiputa; yima ezweni endiya
kukuxelela lona.

3Phambukela kweli zwe. Ndoba nawe, ndikusikelele; kuba ndiya kuwanika wena
nembewu yakho onke la mazwe, ndisimise isifungo endasifungayo kuAbraham
uyihlo;

4ndiyàndise imbewu yakho njengeenkwenkwezi zezulu, ndiyinike imbewu yakho
onke la mazwe, zisikelelwe ngembewu yakho zonke iintlanga zehlabathi;

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5ngenxa enokuba uAbraham waliphulaphulayo izwi lam, wasigcina isigxina sam, nemithetho yam, nemimiselo yam, nemiyalelo yam.

6Wahlala uIsake eGerare.

7Abuza amadoda aloo ndawo ngomkakhe. Wathi, Ngudade wethu; kuba ebesoyika ukuthi, Ngumkam; hleze ambulale amadoda ale ndawo ngenxa kaRebheka, ngokuba ebemhle imbonakalo.

8Kwathi, akubon' ukuba ulibele umzuzu khona, wondela uAbhimeleki, ukumkani wamaFilisti, ngefestile; wakhangela, nanko, uIsake edlala noRebheka umkakhe.

9UAbhimeleki wambiza uIsake, wathi, Yabona, inene ngumkakho lo; ungáthini na ukuthi, Ngudade wethu? Wathi uIsake kuye, Bendisithi, hleze ndife ngenxa yakhe.

10Wathi uAbhimeleki, Yini na ukuba wenze le nto kuthi? Othile ebantwini ebengáthi alale nomkakho, ube usizisele ityala.

11UAbhimeleki wawisela bonke abantu umthetho wokuthi, Lowo uyichukumisayo le ndoda nomkayo wobulawa afe.

12UIsake wahlwayela kwelo zwe, wazuza ngaloo mnyaka imilinganiso elikhulu; uYehova wamsikelela.

13Yaba nkulu indoda leyo, yaya ikhula ngokukhula, yada yaba nkulu kunene.

14Yaba nemfuyo yempahla emfutshane, nemfuyo yeenkomo, nabakhonzi abaninzi; ayimonela amaFilisti.

15Onke amaqula, ababewambile abakhonzi bakayise ngemihla ka-Abraham uyise, awavingca amaFilisti, awadibelela ngomhlaba.

16Wathi uAbhimeleki kuIsake, Mka kuthi, ngokuba usuke waba namandla amakhulu kunathi.

17UIsake wemka ke apho, wamisa iintente esihlanjeni saseGerare, wahlala khona.

18Wabuya uIsake wawamba amaqula amanzi, ababewambile ngemihla ka-Abraham uyise, abevingciwe ngamaFilisti emveni kokufa kuka-Abraham; wawabiza ngamagama abewabize ngawo uyise.

19Bemba abakhonzi bakaIsake esihlanjeni eso, bafumana khona iqula lamanzi aphilileyo.

20Abalusi baseGerare babambana nabalusi bakaIsake, besithi, Ngawethu la manzi; wathi igama lequla elo yiEseke, kuba babezamana naye.

21Bemba elinye iqula, babambana nangalo, wathi igama lalo yiSitena.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Wesuka khona wemba elinye iqula; àbababambananga ngalo, wathi igama lalo yiRehobhoti. Wathi, Inene, ngoku uYehova usenzele indawo ebanzi, ukuze siqhame ezweni apha.

23Wenyuka wemka khona, waya eBhershebha.

24UYehova wabonakala kuye ngobo busuku, wathi, NdinguThixo ka-Abraham uyihlo. Musa ukoyika, kuba ndinawe; ndiya kukusikelela, ndiyandise imbewu yakho, ngenxa ka-Abraham, umkhonzi wam.

25Wákha khona isibingelelo, wanqula igama likaYehova, wayimisa khona intente yakhe; abakhonzi bakaIsake bemba khona iqula.

26Ke kaloku uAbhimeleki weza kuye ephuma eGerare, noAhuzati, isihlobo sakhe, noFikolo, umthetheli womkhosi wakhe.

27Wathi uIsake kubo, Nizeleni na kum, nandithiyayo nje, nandindulula kuni?

28Bathi, Siboné kakuhle ukuba uYehova unawe; sathi, makubekho isifungo phakathi kwethu nawe, senze umnqophiso nawe,

29wokuba ungasenzeli bubi, njengokuba singakusunduzanga, njengokuba sikwenzele okulungileyo kodwa, sakundulula unoxolo; ngoku ùsikelelwe nguYehova.

30Wabenzela isidlo, badla, basela.

31Bavuka kusasa, bafungelana; uIsake wabandulula, bemka kuye benoxolo.

32Kwathi ngaloo mini, bafika abakhonzi bakaIsake, bamxelela indawo yequla ababelimbile, bathi kuye, Siwafumene amanzi.

33Wathi liyiShibha; ngenxa yoko igama laloo mzi liyiBher-shebha unanamhla.

34Ke kaloku uEsawu, akuba minyaka imashumi mané ezelwe, wazeka umfazi, uYuditi intombi kaBheri, umHeti, noBhasemati intombi kaElon, umHeti;

35babacaphukisa ooIsake noRebheka.

IGenesis 27

UYakobi ukhohlisa uIsake ukuze amkele intsikelelo

1Kwathi, akwaluphala uIsake, amehlo akhe enorhatyazo ukuba angaboni, wambiza uEsawu, unyana wakhe omkhulu, wathi kuye, Nyana wam. Wathi yena kuye, Ndilapha.

2Wathi, Khawubone, ndaluphele, andiyazi imini yokufa kwam.

3Khawuthabathe ngoku iintonga zakho, umphongolo wakho, nesaphetha sakho, uye ezindle, undizingelele inyamakazi;

4undenzele ukudla okunencasa, njengoko ndikuthandayo, ukuzise kum, ndidle; ukuze umphefumlo wam ukusikelele ndingekafi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ke kaloku uRebheka wayesiva ukuba uIsake uthetha kuEsawu unyana wakhe. UEsawu waya kuzingela inyamakazi ezindle, ukuba ayizise.

6URebheka wathetha kuYakobi, unyana wakhe, wathi, Yabona, ndive uyihlo ethetha kuEsawu umkhuluwa wakho,

7esithi, Ndizisele inyamakazi, undenzele ukudla okunencasa, ndidle, ndikusikelele phambi koYehova ndingekafi.

8Ngoko ke, nyana wam, liphulaphule izwi lam ngento endikuwisela umthetho ngayo.

9Khawuhambe uye emhlambini, undithabathele khona amatakane amabini ebhokhwe alungileyo, ndenzele uyihlo ukudla okunencasa, njengoko akuthandayo;

10ukusé kuyihlo, adle, ukuze akusikelele engekafi.

11Wathi uYakobi kuRebheka unina, Yabona, uEsawu umkhuluwa wam yindoda exhonti, mna ndiyindoda egudileyo.

12Mhlawumbi ubawo wondiva, ndibe njengomgculeli emehlweni akhe, ndizizisele intshwabulelo, ndingaziziseli intsikelelo.

13Wathi unina kuye, Makube phezu kwam ukushwatyulelwa kwakho, nyana wam; phulaphula izwi lam wena, uye undithabathele.

14Waya wawathabatha, wawazisa kunina; unina wenza ukudla okunencasa, njengoko akuthandayo uyise.

15URebheka wathabatha iingubo zikaEsawu, unyana wakhe omkhulu, ezinqwenelekayo, ezibe zikuye endlwini, wamambathisa uYakobi unyana wakhe omnci.

16Izìntsu zamatakane lawo ebhokhwe wambathisa ngazo izandla zakhe, nendawo egudileyo yentamo yakhe;

17wabeka esandleni sikaYakobi unyana wakhe ukudla okunencasa, nesonka abesenzile.

18Weza kuyise, wathi, Bawo! Wathi yena, Ndilapha. Ungubani na, nyana wam?

19Wathi uYakobi kuyise, NdinguEsawu, amazibulo akho; ndenzé njengoko wathetha ngako kum; khawuvuke ke, uhlale, udle inyamakazi yam, ukuze umphefumlo wakho undisikelele.

20Wathi uIsake kunyana wakhe, Kutheni na le nto ukhawulezileyo ukuyifumana nyana wam? Wathi yena, uYehova uThixo wakho undithamsanqelisile.

21Wathi uIsake kuYakobi, Khawusondele, ndikuve, nyana wam, ukuba unguye na kanye unyana wam uEsawu, akunguye, kusini na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Wasondela uYakobi kuIsake uyise, wamva, wathi, Ilizwi lona lilizwi likaYakobi, kodwa izandla zizandla zikaEsawu.

23Àkamnakana ke, kube izandla zakhe zaba noboya, njengezandla zikaEsawu umkhuluwa wakhe; wamsikelela ke.

24Wathi, Wena lo ùngunyana wam uEsawu na?

25Wathi yena, Ndinguye. Wathi, Sondeza kum ndidle inyamakazi yonyana wam, ukuze umphefumlo wam ukusikelele. Wayisondeza kuye, wadla, wamzisela newayini, wasela.

26Wathi uyise uIsake kuye, Khawusondele undange, nyana wam.

27Wasondela, wamanga; waliva ivumba leengubo zakhe, wamsikelela wathi, Yabona, ivumba lonyana wam linjengevumba lelizwe elisikelelwe nguYehova.

28Ngamana uThixo wakunika kuwo umbethe wezulu, Nakuko ukuchuma komhlaba, Nentabalala yengqolowa, newayini entsha;

29Izizwe mazikukhonze, Izizwe ziqubude kuwe. Yiba yinkosi kubazalwana bakho, Baqubude kuwe oonyana bakanyoko; Úqalekisiwe okuqalekisayo, Úsikelelwe okusikelelayo.

30Kwathi, akubon' ukuba ugqibile uIsake ukumsikelela uYakobi, kwathi, akuthi ukuphuma uYakobi ebusweni bukaIsake uyise, wangena uEsawu, umkhuluwa wakhe, evela ekuzingeleni kwakhe.

31Naye wenza ukudla okunencasa, wazisa kuyise, wathi kuyise, Makavuke ubawo adle inyamakazi yonyana wakhe, ukuze umphefumlo wakho undisikelele.

32Wathi uIsake uyise kuye, Ungubani na? Wathi, Ndingunyana wakho uEsawu, amazibulo akho.

33UIsake wagubha ngokugubha okukhulu kunene, wathi, Ngubani na lo phofu uzingele inyamakazi, wayizisa kum, ndadla entweni yonke, ungekafiki wena, ndamsikelela? Wósikeleleka ke.

34Ákuweva uEsawu amazwi kayise, wakhala ngesikhalo esikhulu, esikrakra kunene, wathi kuyise, Ndísikelele nam, bawo.

35Wathi yena, Kufike umninawa wakho ngenkohliso, wayithabatha intsikelelo yakho.

36Wathi, Kungokuba igama lakhe kusithiwa nguYakobi na, le nto andigweqe ezi zihlandlo zozibini? Wathabatha ubuzibulo bam; nanku ngoku, ethabathe nentsikelelo yam. Wathi, Akundibekelanga ntsikelelo na mna?

37Waphendula uIsake, wathi kuEsawu, Yabona, ndimmisile waba yinkosi yakho, nabo bonke abazalwana bakhe ndibaniké yena, baba ngabakhonzi; ndamxhasa

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

ngengqolowa nangewayini entsha. Yintoni na kaloku endingakwenzela yona, nyana wam?

38Wathi uEsawu kuyise, Inye na le ntsikelelo unayo, bawo? Ndísikelele nam, bawo. Waliphakamisa uEsawu izwi lakhe, walila.

39Waphendula uIsake uyise, wathi kuye, Yabona, ikhaya lakho liya kuba lee nokuchuma komhlaba, Lee nombethe wezulu ovela phezulu.

40Ùya kuphila ngekrele lakho, umkhonze umninawa wakho; Kuthi wakudlokova, Uyàphule idyokhwe yakhe, isuke entanyeni yakho.

41UEsawu wamzonda uYakobi ngenxa yentsikelelo awamsikelela ngayo uyise; uEsawu wathi entliziyweni yakhe, Iya kusondela imihla yesijwili sikabawo, ndimbulale ke uYakobi umninawa wam.

42Wawaxelelwa uRebheka amazwi kaEsawu, unyana wakhe omkhulu, wathumela, wambiza uYakobi, unyana wakhe omnci, wathi kuye, Yabona, uEsawu, umkhuluwa wakho, uzithuthuzela ngawe ngokukubulala.

43Ngoko ke, nyana wam, phulaphula izwi lam, usuke ubalekele kuLabhan, umnakwethu, kwaHaran;

44uhlale naye iintsuku ezithile, bude bubuye ubushushu bomkhuluwa wakho,

45ude umsindo womkhuluwa wakho ubuye kuwe, ayilibale into oyenzileyo kuye; ndithumèle ke, ndikuphuthume khona. Yini na ukuba ndihluthwe nina nobabini ngamini-nye?

46Ke kaloku uRebheka wathi kuIsake, Ndikruqukile bubomi bam ngenxa yeentombi zakwaHeti. Ukuba uYakobi uthe wazeka umfazi ezintombini zakwaHeti, ezinjengezi ntombi zeli lizwe, boba yintoni na kum obu bomi?

IGenesis 28

UYakobi uya kuzifunela umfazi

1UIsake wambiza uYakobi, wamsikelela, wamwisela umthetho, wathi kuye, Uze ungazeki mfazi ezintombini zakwaKanan.

2Suka uye ePadan-aram, endlwini kaBhetuweli unyokokhulu, uzeke khona umfazi ezintombini zikaLabhan, unyokolume.

3Ngamana uThixo uSomandla wakusikelela, wakuqhamisa, wakwandisa, ukuze ube sisikhungu sezizwe;

4akunike intsikelelo ka-Abraham, wena nembewu yakho ndawonye nawe, ukuze ulidle ilifa ilizwe lokuphambukela kwakho, elo uThixo walinika uAbraham.

5UIsake wamndulula ke uYakobi; waya ePadan-aram, kuLabhan unyana kaBhetuweli umAram, umnakwabo boRebheka, unina booYakobi noEsawu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6UEsawu wabona ukuba uIsake umsikelele uYakobi, wamndulula ukuba aye ePadan-
aram, azeke khona umfazi; ekumsikeleleni kwakhe wamwisela umthetho wokuthi,
Uze ungazeki mfazi ezintombini zakwaKanan;

7noYakobi umphulaphule uyise nonina, waya ePadanaram.

8Wabona uEsawu ukuba iintombi zakwaKanan azifunwa nguIsake uyise;

9wasuka waya uEsawu kuIshmayeli, wazeka uMahalati, intombi kaIshmayeli, unyana
ka-Abraham, udade boNebhayoti, phezu kwabafazi bakhe, wangumkakhe.

Iphupha likaYakobi eBheteli

10Waphuma ke uYakobi eBher-shebha, waya kwaHaran.

11Wathi qatha ndaweni ithile, walala khona, kuba belitshonile ilanga. Wathabatha
kumatye aloo ndawo, wabeka phantsi kwentloko yakhe, walala kuloo ndawo.

12Waphupha ebona ileli, imisiwe emhlabeni, intloko yayo iye yafika emazulwini;
nanzo izithunywa zikaThixo zinyuka, zisihla ngayo;

13nanko uYehova emi phezu kwayo, wathi, NdinguYehova, uThixo ka-Abraham
uyihlo, uThixo kaIsake. Ilizwe elo ulele kulo, ndiya kulinika wena, nembewu yakho;

14imbewu yakho ibe njengothuli lomhlaba, uphangalale, usinge entshonalanga,
nasempumalanga, nasentla, nasezantsi, zisikelelwe ngawe nangembewu yakho
zonke izizwe zehlabathi.

15Yabona, ndinawe; ndiya kukugcina naphi apho uya khona, ndikubuyisele kuló
mhlaba; ngokuba andiyi kukushiya, ndide ndikwenze oko ndikuthethileyo kuwe.

16Wavuka uYakobi ebuthongweni bakhe, wathi, Kunjenje ke, uYehova ukho kule
ndawo, kanti mna bendingazi.

17Woyika, wathi, Asikuko nokuba iyoyikeka le ndawo; yindlu kaThixo le, ayinto yimbi;
lisango lamazulu eli.

18Wavuka uYakobi kwakusasa, walithabatha ilitye abelibeke phantsi kwentloko
yakhe, walimisa lasisimiso, wathulula ioli phezu kwalo.

19Wathi igama laloo ndawo yiBheteli, nangona beliyiLuzi, igama laloo mzi ekuqaleni.

20Wabhambathisa ngesibhambathiso uYakobi, esithi, Ukuba uThixo uthe waba nam,
wandigcina kuyo le ndlela ndiyihambayo, wandinika isonka ndadla,

21neengubo ndambatha, ndabuyela endlwini kabawo ndinoxolo:

22uYehova woba nguThixo wam, neli litye ndilimisileyo lasisimiso loba yindlu kaThixo;
neento zonke othe wandinika, ndokunika isishumi sazo.

IGenesis 29

UYakobi kwaLabhan; ukwendela koLeya noRakeli kuye

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Wesuka uYakobi, waya ezweni labasempumalanga.

2Wakhangela, wabona iqula ezweni, nantso ikhona imihlambi emithathu yempahla emfutshane, ibuthile ngakulo; kuba imihlambi yayisezwa kwelo qula. Kukho ilitye elikhulu emlonyeni wequla.

3Yabe ihlanganiselwa khona yonke imihlambi, baliqengqe ilitye, balisuse emlonyeni wequla, bayiseze impahla emfutshane, balibuyisele ilitye elo emlonyeni wequla endaweni yalo.

4UYakobi wathi kubo, Bazalwana bam, nivela phi na? Bathi bona, Sivela kwaHaran.

5Wathi kubo, Niyamazi na uLabhan, unyana kaNahore? Bathi, Siyamazi.

6Wathi kubo, Usaphilile na? Bathi, Usaphilile; nanku noRakeli, intombi yakhe, esiza nempahla emfutshane.

7Wathi, Yabonani, kusesemini enkulu, asilixa lakuhlanganisa impahla; yisezeni impahla emfutshane, niye kwalusa.

8Bathi, Asinako, ide ihlanganiswe yonke imihlambi, liqengqwe ilitye, lisuke emlonyeni wequla, siyiseze ke impahla emfutshane.

9Ke kaloku esathetha nabo, wafika uRakeli nempahla emfutshane kayise; kuba ubeyalusa.

10Kwathi, uYakobi akumbona uRakeli intombi kaLabhan, uninalume, nempahla emfutshane kaLabhan uninalume, wasondela uYakobi, waliqengqa ilitye lesuka emlonyeni wequla, wayiseza impahla emfutshane kaLabhan uninalume.

11UYakobi wamanga uRakeli, waliphakamisa izwi lakhe, wasitsho isililo.

12UYakobi wamxelela uRakeli ukuba ungumzalwana kayise, nokuba ungunyana kaRebheka.

13Wagidima yena waxelela uyise. Kwathi, uLabhan akuluva udaba lukaYakobi, unyana wodade wabo, wagidima waya kumkhawulela, wamwola, wamanga, wamngenisa endlwini yakhe. Yena wambalisela uLabhan ngezo ndawo zonke.

14Wathi uLabhan kuye, Okunene ulithambo lam, uyinyama yam. Wahlala naye inyanga iphela.

15Wathi uLabhan kuYakobi, Kungokuba ungumzalwana wam na, le nto undikhonza ngelizé? Ndixelele umvuzo wakho.

16Ke kaloku uLabhan waye eneentombi ezimbini; igama lenkulu lalinguLeya, igama lenci lalinguRakeli.

17Ke uLeya wayenechaphothi; uRakeli wayemhle isiqu, emhle imbonakalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18UYakobi ubemthanda uRakeli, wathi, Ndokukhonza iminyaka esixhenxe ngenxa kaRakeli, intombi yakho enci.

19Wathi uLabhan, Kulungile ukuba ndimnike wena, kunokuba ndimnike enye indoda; hlala nam ke.

20UYakobi wakhonza ke iminyaka esixhenxe ngenxa kaRakeli; yanga yimihla embalwa emehlweni akhe, ngenxa yokumthanda kwakhe.

21Wathi uYakobi kuLabhan, Ndinike umkam, kuba izalisekile imihla yam, ukuba ndimngene.

22Wawahlanganisa uLabhan onke amadoda aloo ndawo, wenza umsitho.

23Kwathi ngokuhlwa, wathabatha uLeya intombi yakhe, wamngenisa kuye; wamngena ke yena.

24Intombi yakhe uLeya, uLabhan wayinika uZilipa, umkhonzazana wakhe, ukuba abe ngumkhonzazana wayo.

25Kwathi kusasa, kwabonakala inguLeya. Wathi kuLabhan, Yintoni na le nto uyenzileyo kum? Andikukhonzé ngenxa kaRakeli na? Yini na ukuba undikhohlise?

26Wathi uLabhan, Akwenjiwa njalo kowethu, ukuthi kwendiswe enci phambi kweyamazibulo.

27Zalisa iveki yale, waleke eminye iminyaka esixhenxe; sokunika naleyo ngenkonzo oya kundikhonza ngayo.

28Wenjenjalo uYakobi, wayizalisa iveki yale. Wamnika ke uRakeli intombi yakhe, yangumkakhe.

29Intombi yakhe uRakeli, uLabhan wayinika uBhiliha, umkhonzazana wakhe, ukuba abe ngumkhonzazana wayo.

30Wamngena uRakeli, wamthanda uRakeli phezu koLeya. Wakhonza ke, waleka eminye iminyaka esixhenxe.

31UYehova wabona ukuba uLeya uthiyiwe, wasivula isizalo sakhe; ke uRakeli ebengazali.

32Wamitha ke uLeya, wazala unyana, wamthiya igama elinguRubhen, ngokuba ebesithi, UYehova uzibonile iintsizi zam; inene, iya kundithanda ngoku indoda yam.

33Wabuya wamitha, wazala unyana; wathi, UYehova uvile ukuba ndithiyiwe, wandinika naló; wamthiya igama elinguSimon.

34Wabuya wamitha, wazala unyana; wathi, Khona ngoku, iya kunamathela kum indoda yam, kuba ndiyizalele oonyana abathathu; ngenxa yoko wamthiya igama elinguLevi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

35Wabuya wamitha, wazala unyana; wathi, Okwesi sihlandlo ndiya kumdumisa uYehova; ngenxa yoko wamthiya igama elinguYuda. Wanqamka ukuzala.

IGenesis 30

Abantwana bakaYakobi

1Ke kaloku akubona uRakeli ukuba akamzaleli mntwana uYakobi, uRakeli wammonela udade wabo, wathi kuYakobi, Ndinike abantwana; ukuba akundiniki, ndofa.

2Wavutha umsindo kaYakobi ngakuRakeli, wathi, Ndisesikhundleni sikaThixo na, okuvimbileyo isiqhamo sesizalo?

3Wathi yena, Nantso impelesi yam uBhiliha; yingene, izalele emadolweni am, ndakheke nam ngayo.

4Wamnika ke uBhiliha, umkhonzazana wakhe, ukuba abe ngumfazi; uYakobi wamngena.

5Wamitha uBhiliha, wamzalela uYakobi unyana.

6Wathi uRakeli, UThixo undigwebele, kananjalo uliphulaphule izwi lam, wandinika unyana; ngenxa yoko wamthiya igama elinguDan.

7Wabuya wamitha uBhiliha, umkhonzazana kaRakeli, wamzalela uYakobi unyana wesibini.

8Wathi uRakeli, Ndizamene nodade wethu imizamo kaThixo, kananjalo ndeyisa; wamthiya igama elinguNafetali.

9Ke kaloku wabona uLeya ukuba unqamkile ukuzala, wathabatha uZilipa, umkhonzazana wakhe, wamnika uYakobi ukuba abe ngumfazi.

10UZilipa, umkhonzazana kaLeya, wamzalela uYakobi unyana.

11Wathi uLeya, Lithamsanqa! Wamthiya igama elinguGadi.

12UZilipa, umkhonzazana kaLeya, wamzalela uYakobi unyana wesibini.

13Wathi uLeya, Ndiva uyolo, ngokuba iintombi ziya kuthi ndinoyolo. Wamthiya igama elinguAshere.

14Waya uRubhen ngemihla yovuno lwengqolowa, wafumana amathuma endle, wawazisa kuLeya unina. Wathi uRakeli kuLeya, Khawundiphe emathumeni onyana wakho lawo.

15Wathi kuye, Yinto encinane na ukuyithabatha indoda yam, ubuye uthabathe namathuma onyana wam? Wathi uRakeli, Ngako oko mayilale nawe ngobu busuku, ngenxa yamathuma onyana wakho lawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Wafika uYakobi evela ezindle ngokuhlwa, waphuma uLeya esiya kumkhawulela, wathi, Uze undingene, kuba ndikuqeshile ngamathuma onyana wam. Walala ke naye ngobo busuku.

17UThixo wamphulaphula uLeya; wamitha, wamzalela uYakobi unyana wesihlanu.

18Wathi uLeya, UThixo undinikile umvuzo wam, ngenxa yokuba indoda yam ndiyinike umkhonzazana wam.

19Wamthiya igama elinguIsakare. Wabuya wamitha uLeya, wamzalela uYakobi unyana wesithandathu.

20Wathi uLeya, UThixo undiphe isipho esilungileyo; okwesi sihlandlo indoda yam iya kuhlala nam, kuba ndiyizalele oonyana abathandathu. Wamthiya igama elinguZebhulon.

21Emveni koko wazala intombi, wayithiya igama elinguDina.

22Ke kaloku uThixo wamkhumbula uRakeli, uThixo wamphulaphula, wasivula isizalo sakhe.

23Wamitha, wazala unyana, wathi, UThixo ukususile ukungcikivwa kwam.

24Wamthiya igama elinguYosefu, wathi, UYehova makongezelele omnye unyana.

Iqhinga likaYakobi lokwandisa imfuyo yakhe

25Kwathi, xa uRakeli ebemzele uYosefu, wathi uYakobi kuLabhan, Ndíndulule ndiye endaweni yakowethu, ezweni lakowethu.

26Ndínike abafazi bam nabantwana bam, endikukhonze ngenxa yabo, ndihambe; kuba wena uyayazi inkonzo yam endikukhonze ngayo.

27Wathi uLabhan kuye, Ukuba kaloku ndibabalwe nguwe, hlala; ndihlabé ukuthi uYehova undisikelele ngenxa yakho.

28Wathi, Ndímisele kakuhle umvuzo wakho ondifaneleyo, ndikunike.

29Wathi kuye, Uyalwazi nawe uhlobo lokukukhonza kwam, nohlobo lokuhlala kwempahla yakho nam.

30Kuba obunayo ndingekafiki yabe imbalwa, ngoku izazekile yaninzi; uYehova ukusikelele apho unyawo lwam luthe lwanyathela; kaloku ndiya kuyisebenzela nini na mna eyam indlu?

31Wathi, Ndikùnike ntoni na? Wathi uYakobi, Akuyi kundinika nento le; ukuba uthe wandenzela le ndawo, ndobuya ndiyaluse impahla yakho emfutshane, ndiyigcine.

32Ndiya kucanda phakathi kwayo yonke impahla yakho emfutshane namhlanje, ndihambe ndikhetha kuyo zonke iingusha ezinala, nezirhwexu, neegusha zonke ezimnyama phakathi kwamatakane, nazo zonke ezirhwexu nezinala phakathi kweebhokhwe, zibe ngumvuzo wam;

© 1975 Bible Society of South Africa.

33bundingqìnele ke ubulungisa bam ngexesha elizayo, xa uthe weza kumvuzo wam ophambi kwakho: zonke ezingenala, nezingerhwexu phakathi kweebhokhwe, nezingemnyama phakathi kweegusha, zoba zezibiweyo ezo, xa zithe zakum.

34Wathi uLabhan, Yabona, makube ngokwelizwi lakho elo.

35Wazikhetha ngaloo mhla iinkunzi zeebhokhwe ezinemizila, nezirhwexu, nazo zonke iimazi zeebhokwe ezinakazi, nezirhwexukazi, zonke ezinobumhlophe, nazo zonke ezimnyama phakathi kwamatakane, wazinikela esandleni soonyana bakhe.

36Wamisa uhambo lweemini ezintathu phakathi kwabo noYakobi; uYakobi walusa eseleyo ke impahla emfutshane kaLabhan.

37Ke kaloku uYakobi wathabatha iintonga zompopulari omhlophe ezimanzi, nezom-amangile, nezompleyini, wachuba iindawo ezimhlophe kuzo, exwebula buvele ubumhlophe obusezintongeni ezo.

38Wazimisa iintonga abezichubile emijelweni, emikhumbini yamanzi, apho impahla emfutshane ibiza kusela khona, phambi kwempahla emfutshane, ukuba iphathane xa iza kusela.

39Yaphathana ke impahla emfutshane phambi kweentonga ezo, yazala impahla emfutshane enemizila, nerhwexu, nenala.

40Wawahlula uYakobi amatakane lawo, wabukhangelisa ubuso bempahla emfutshane malunga nenemizila, nemnyama, yonke empahleni emfutshane kaLabhan; wayibeka yodwa eyakhe imihlambi, akayibeka empahleni emfutshane kaLabhan.

41Kwathi, xa iphathanayo eyomeleleyo empahleni emfutshane, uYakobi wazibeka iintonga phambi kwempahla emfutshane emijelweni, ukuze iphathane phakathi kweentonga.

42Xa ityhafileyo impahla emfutshane, akazibekanga; yathi ke etyhafileyo yaba yekaLabhan, eyomeleleyo yaba yekaYakobi.

43Yanda indoda leyo kakhulu kunene, yaba nempahla emfutshane eninzi, nabakhonzazana, nabakhonzi, neenkamela, namaesile.

IGenesis 31

UYakobi usaba kuLabhan ngokuzimela

1Ke kaloku waweva amazwi oonyana bakaLabhan, besithi, UYakobi uzithabathile zonke izinto abenazo ubawo; ubenzé ngezinto zikabawo obu butyebi bakhe bonke.

2Wabubona uYakobi ubuso bukaLabhan, nâbó bungenjengezolo nezolo elinye kuye.

3UYehova wathi kuYakobi, Buyela ezweni likayihlo, kwelokuzalwa kwakho; ndoba nawe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4UYakobi wathumela, wabiza uRakeli noLeya, ukuba beze endle empahleni yakhe emfutshane.

5Wathi kubo, Ndiyabubona ubuso bukayihlo, ukuba abunjengezolo nezolo elinye kum; ke uThixo kabawo ubenam.

6Niyazi nina, ukuba uyihlo ndimkhonze ngamandla am onke;

7ke uyihlo undidephisele, wawuguqula umvuzo wam kalishumi; kodwa uThixo akamvumelanga ukuba andenze into embi.

8Xa athe, Enala yoba ngumvuzo wakho, isuke yonke impahla emfutshane yazala enala; xa athe, Enemizila yoba ngumvuzo wakho, isuke yonke impahla emfutshane yazala enemizila.

9Wayihlutha uThixo imfuyo kayihlo, wandinika.

10Kwathi, ngexesha lokuphathana kwempahla emfutshane, ndawaphakamisa amehlo am, ndabona ephupheni, nanzo iinkunzi ezikhwelayo empahleni emfutshane zinemizila, zinala, zinomchokose.

11Sathi isithunywa sikaThixo kum ephupheni, Yakobi; ndathi, Ndilapha.

12Sathi, Khawuphakamise amehlo akho, ubone; zonke iinkunzi ezikhwelayo empahleni emfutshane zinemizila, zinala, zinomchokose; kuba ndizibonile zonke izinto azenzayo uLabhan kuwe.

13NdinguThixo waseBheteli, apho wasithambisa khona isimiso, apho wabhambathisa ngesibhambathiso kum. Suka ngoko, uphume kweli lizwe, ubuyele ezweni lokuzalwa kwakho.

14Baphendula uRakeli noLeya, bathi kuye, Sisenasabelo nalifa lini na endlwini kabawo?

15Àkuthiwa singabasemzini kuye yini na? Kuba úthengise ngathi, wamana eyidla nemali yethu.

16-19Ngokokuze bonke ubutyebi abuhluthileyo uThixo kubawo, bube bobethu, noboonyana bethu, kaloku ke konke akuthethileyo uThixo kuwe kwénze. Wesuka uYakobi wabakhwelisa oonyana bakhe, nabafazi bakhe, ezinkameleni. Waqhuba yonke impahla yakhe, nayo yonke ingqwebo yakhe abeyiqwebile, impahla abeyifuyile, abeyiqwebile ePadan-aram, ukuze aye kuIsake uyise ezweni lakwaKanan. ULabhan ubeye kucheba impahla yakhe emfutshane; uRakeli wayiba imilonde-kaya ebiyekayise.

20UYakobi wamlalanisa uLabhan umAram, ekubeni engamxelelanga ukuba uyabaleka.

21Wabaleka ke, yena nako konke abenako; wesuka, wawuwela uMlambo, wabubhekisa ubuso bakhe entabeni yaseGiliyadi.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

22Waxelelwa uLabhan ngomhla wesithathu ukuba uYakobi ubalekile.

23Wathabatha abazalwana bakhe, wamphuthuma uhambo lwemihla esixhenxe; bafumanana entabeni yaseGiliyadi.

24Weza uThixo kuLabhan umAram ephupheni ebusuku, wathi kuye, Zilumkele, ungathethi nto kuYakobi, nokuba yelungileyo nokuba yembi.

25ULabhan wafika kuYakobi. Ke kaloku uYakobi ubeyigxumekile intente yakhe entabeni; uLabhan nabazalwana bakhe bagxumeka entabeni yaseGiliyadi.

26Wathi uLabhan kuYakobi, Wenza ntoni na ukundilalanisa, uziqhube iintombi zam njengabathinjwe ngekrele?

27Yini na ukuba uzímele, ubaleke, undilalanise, ungandixeleli? Ngendiba ndikundulule ngemivuyo, nangeengoma, nangengqongqo, nangohadi.

28Yini na ukuba ungandivumeli ndibange oonyana bam neentombi zam? Kaloku wenzé ngobudenge.

29Kusemandleni esandla sam ukunenza ububi; ke uThixo kayihlo uthethe nam phezolo, esithi, Zilumkele, ungathethi nto noYakobi, nokuba yelungileyo nokuba yembi.

30Ngoku umkileyo nje, ngokuba walangazelela kakhulu indlu kayihlo, uzibeleni na zona izithixo zam?

31Waphendula uYakobi wathi kuLabhan, Bendisoyika, kuba bendisithi, Hleze uzixhakamfule kum iintombi zakho.

32Osukuba uzifumana kuye izithixo zakho, makangadli bomi. Phambi kwabazalwana bethu fanisa into yakho enam, uyithabathe. Wayengazi uYakobi ukuba uRakeli uzibile.

33Wangena uLabhan ententeni kaYakobi, nasententeni kaLeya, nasententeni yeempelesi zombini; akazifumana. Waphuma ententeni kaLeya, wangena ententeni kaRakeli.

34Ke kaloku uRakeli ebeyithabathile imilonde-khaya, wayifaka phakathi kwesali yenkamela, wahlala phezu kwayo. ULabhan wayiphuthaphutha yonke intente, akayifumana.

35Wathi kuyise, Mawungabi namsindo, nkosi yam, kuba ndingenako ukusuka phambi kwakho, ngokuba ndihleli phezu kwengca. Wagquthagqutha, akayifumana imilonde-khaya.

36Wavutha umsindo kaYakobi, wabambana noLabhan. Waphendula uYakobi, wathi kuLabhan, Luyintoni na ukreqo lwam, siyintoni na isono sam, ukuba undisukele ngokushushu nje?

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Uziphuthaphuthile zonke iimpahla zam; ufumene ntoni na yazo zonke iimpahla zendlu yakho? Yibeke apha phambi kwabazalwana bam, nabazalwana bakho, bahlule phakathi kwethu sobabini.

38Le minyaka imashumi mabini bendinawe; iimazi zakho zeegusha, neemazi zeebhokhwe aziphunzanga, neenkunzi zempahla yakho emfutshane andizidlanga.

39Into eqwengiweyo andiyizisanga kuwe, ndayimisela ngokwam; wayibiza esandleni sam nokuba ibíwe emini, nokuba ibíwe ebusuku.

40Emini ndadliwa bubushushu, ebusuku yingqele; ubuthongo bam bemka emehlweni am.

41Kwaba njalo kum le minyaka imashumi mabini endlwini yakho; ndakukhonza iminyaka elishumi elinaminé ngenxa yeentombi zakho zombini, iminyaka emithandathu ngenxa yempahla yakho emfutshane; ùwuguqule kalishumi umvuzo wam.

42Koko uThixo kabawo, uThixo ka-Abraham, Ohlonelwa nguIsake, waba nam, inene ùnge ùndindulule ndilambatha ngoku. UThixo uzibonile iintsizi zam nokuxelenga kwezandla zam, wakohlwaya phezolo.

43ULabhan waphendula wathi kuYakobi, Iintombi ziintombi zam, oonyana ngoonyana bam, impahla emfutshane yimpahla yam, neento zonke ozibonayo zezam. Ndinakwenza ntoni na namhla ezintombini zam ezi, nakoonyana bazo ezibazeleyo?

44Yiza ngoku, senze umnqophiso, mna nawe, ube lingqina phakathi kwam nawe.

45UYakobi wathabatha ilitye, waliphakamisa lasisimiso.

46Wathi uYakobi kubazalwana bakhe, Cholani amatye. Bathabatha amatye, benza imfumba, badla khona phezu kwaloo mfumba.

47Wathi ukuyibiza uLabhan yiYegarsahaduta, uYakobi wathi ukuyibiza yiGaledi.

48Wathi uLabhan, Le mfumba ilingqina phakathi kwam nawe namhla, ngenxa yoko yathiywa igama eliyiGaledi;

49neliyiMizpa, ngokuba wathi, Makabonisele uYehova phakathi kwam nawe, sakuba sisithelene;

50ukuba ùthe wazicinezela iintombi zam, nokuba ùthe wazeka abafazi phezu kweentombi zam, akukho bani unathi. Khangela, uThixo ulingqina phakathi kwam nawe.

51ULabhan wathi kuYakobi, Yabona le mfumba, yabona esi simiso ndisiphakamisileyo phakathi kwam nawe; ingqina yile mfumba,

52ingqina sesi simiso, ukuba andiyi kugqitha mna kule mfumba ndiye kuwe, ukuba akuyi kugqitha wena kule mfumba nakwesi simiso uze kum, senzane ububi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

53UThixo ka-Abraham, uThixo kaNahore, uThixo woyise wabo, makagwebe phakathi kwethu. UYakobi wafunga Ohlonelwa nguyise uIsake.

54UYakobi wabingelela umbingelelo entabeni apho, wabiza abazalwana bakhe, ukuba badle isonka. Badla ke isonka, balala entabeni apho.

55Wavuka uLabhan kusasa, wabânga oonyana bakhe, neentombi zakhe, wabasikelela; wemka ke uLabhan, wabuyela ekhayeni lakhe.

IGenesis 32

UYakobi uzilungiselela ukuhlangabezana noEsawu

1UYakobi wahamba ngendlela yakhe; zaqubisana naye izithunywa zikaThixo.

2Wathi uYakobi akuzibona, Ngumkhosi kaThixo lo; wathi igama laloo ndawo yiMahanayim.

3Ke kaloku uYakobi wathuma abathunywa phambi kwakhe, baya kuEsawu, umkhuluwa wakhe, ezweni lakwaSehire, emhlabeni wakwaEdom.

4Wabawisela umthetho esithi, Nòthi ukuthetha enkosini yam uEsawu, Utsho umkhonzi wakho uYakobi ukuthi, Bendingumphambukeli kuLabhan, ndalibala khona kwada kwangoku;

5ndineenkomo, namaesile, nempahla emfutshane, nabakhonzi, nabakhonzazana; ndithumèle ukuxelela inkosi yam, ukuze indibabale.

6Abathunywa babuyela kuYakobi besithi, Sifikile kumkhuluwa wakho uEsawu, naye uyeza kukukhawulela, enamadoda angamakhulu omané.

7Woyika kunene uYakobi, wabandezeleka, wabahlula abantu ababenaye, nempahla emfutshane, neenkomo, neenkamela; iimfuduka zambini.

8Wathi, Ukuba uEsawu uthe wafika kwenye imfuduka, wayichitha, yosinda imfuduka eseleyo.

9Wathi uYakobi, Thixo kabawo uAbraham, Thixo kabawo uIsaka, Yehova, ùthe kum, Buyela ezweni lakowenu, kwelokuzalwa kwakho; ndokuphatha kakuhle.

10Andiyilingene inceba yonke, nenyaniso yonke oyenzileyo kumkhonzi wakho; kuba ndayiwela le Yordan, ndinentonga yam yodwa, kodwa ngoku ndimfuduka mbini.

11Khawundihlangule esandleni somkhuluwa wam, esandleni sikaEsawu; ngokuba ndiyamoyika, hleze afike andibulale, unina ndawonye nabantwana.

12Wawuthe wena, Inene, ndiya kukuphatha kakuhle, imbewu yakho ndiyenze ibe njengentlabathi yolwandle, engenakubalwa ngenxa yobuninzi.

13Ke kaloku yena walala khona ngobo busuku. Wathabatha entweni esifike kuyo isandla sakhe, yangumnikelo kuEsawu, umkhuluwa wakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

14iimazi zeebhokhwe ezimakhulu mabini, neenkunzi zeebhokhwe ezimashumi mabini, neemazi zeegusha ezimakhulu mabini, neenkunzi zeegusha ezimashumi mabini,

15neenkamela ezisengwayo ezimashumi mathathu, ezinamathole azo, neemazi zeenkomo ezimashumi mané, neenkunzi zeenkomo ezilishumi, neemazi zamaesile ezimashumi mabini, namaxhamxwa alishumi.

16Wazinikela esandleni sabakhonzi bakhe, walowo umhlambi wawodwa. Wathi kubakhonzi bakhe, Welani phambi kwam, nibeke isithuba phakathi komhlambi nomhlambi.

17Owokuqala wamwisela umthetho, wathi, Xa athe uEsawu umkhuluwa wam waqubisana nawe, wakúbuza ngokuthi, Ùngokabani na? Ùya phi na? Zezikabani na ezi zinto ziphambi kwakho? wòthi,

18Zezomkhonzi wakho uYakobi: ngumnikelo othunyelwe inkosi yam uEsawu; nanku ke naye ngasemva kwethu.

19Nowesibini, nowesithathu wamwisela umthetho, nabo bonke ababeyilandela imihlambi, esithi, Nòthetha ngolo hlobo kuEsawu, nakufumanana naye.

20Kananajalo nòthi, Nanko umkhonzi wakho uYakobi engasemva kwethu. Kuba wathi, Mandibucamagushe ubuso bakhe ngomnikelo ohamba phambi kwam, emveni koko ndibùbone ubuso bakhe; mhlawumbi wondibuka.

21Umnikelo lowo wahamba phambi kwakhe; ke yena walala ngobo busuku emfudukeni.

22Wavuka ngobo busuku, wathabatha abafazi bakhe bobabini, nabakhonzazana bakhe bobabini, noonyana bakhe abalishumi elinamnye, waliwela izibuko leYabhoki.

23Wabathabatha ke, wabaweza emfuleni lowo, waziweza zonke izinto abenazo.

UYakobi uzamazamana nesithunywa

24UYakobi wasala yedwa; kwazamana indoda naye kwada kwathi qhiphu ukusa.

25Yakubona ukuba ayimeyisi, yachukumisa usikrobana womlenze wakhe, wancothuka usikrobana womlenze kaYakobi ngokuzamana nayo.

26Yathi, Ndíndulule ndihambe, kuba kuyasa. Wathi yena, Andiyi kukundulula umke, ukuba akuthanga undisikelele.

27Yathi kuye, Ngubani na igama lakho? Wathi, NdinguYakobi.

28Yathi, Igama lakho akusayi kuba sathiwa nguYakobi; kuya kuthiwa unguSirayeli, ngokuba ulwe noThixo nabantu, weyisa.

29Wabuza uYakobi wathi, Ndixelele igama lakho. Yathi, Ulibuzelani na igama lam?

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Yamsikelela khona. UYakobi wayithiya loo ndawo igama eliyiPeniyeli; kuba wathi, Ndibonene noThixo, wahlangulwa umphefumlo wam.

31Lathi chapha ilanga, akudlula ePeniweli, ejingxela ngomlenze wakhe.

32Ngenxa yoko oonyana bakaSirayeli abawudli umsipha kasikrobana ophezu kosikrobana womlenze, nanamhla; ngokuba yachukumisa usikrobana womlenze kaYakobi emsipheni kasikrobana.

IGenesis 33

UYakobi noEsawu bahlangabezana ngoxolo

1Wawaphakamisa uYakobi amehlo akhe, wabona, nanko uEsawu esiza, enamadoda amakhulu mané. Abantwana wabahlulahlula, baba kuLeya, nakuRakeli, nakubakhonzazana bobabini.

2Wababeka abakhonzazana nabantwana babo phambili, uLeya nabantwana bakhe emva kwabo, uRakeli noYosefu emva kanye.

3Ke yena wagqithela phambi kwabo, waqubuda emhlabeni kasixhenxe, wada wasondela kumkhuluwa wakhe.

4Wagidima uEsawu emkhawulela, wamwola, wawa entanyeni yakhe, wamanga; basitsho isililo.

5Wawaphakamisa amehlo akhe, wababona abafazi nabantwana, wathi, Ngoobani na aba banawe? Wathi yena, Ngabantwana, athe uThixo wabababala umkhonzi wakho.

6Basondela abakhonzazana, bona nabantwana babo, baqubuda.

7Wasondela noLeya nabantwana bakhe, baqubuda; emveni koko wasondela uYosefu noRakeli, baqubuda.

8Wathi, Iyintoni na yonke le mfuduka yakho endiqubisene nayo? Wathi, Yeyokuba ndibábalwe emehlweni enkosi yam.

9Wathi uEsawu, Ndanele, mninawa; makube kokwakho okwakho.

10Wathi uYakobi, Hayi, makungabi njalo. Ukuba kaloku ndibabalwe emehlweni akho, thabatha umnikelo wam lo esandleni sam; kuba ngenxa yoko ndibubonile ubuso bakho, ndanga ndibona ubuso bukaThixo, ndalikholo kuwe.

11Khawuyithabathe intsikelelo yam ezisiweyo kuwe, ngokuba uThixo undibabale, kuba ndineento zonke. Wamjoka, wayithabatha.

12Wathi uEsawu, Masinduluke, sihambe; ndohamba phambi kwakho.

13Wathi kuye, Inkosi yam iyazi ukuba abantwana bathambile, nempahla emfutshane, neenkomo ezanyisayo ziphezu kwam; yothi iqhutywe kakhulu imini enye, ife yonke impahla emfutshane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Inkosi yam mayikhe igqithele phambi komkhonzi wayo, ndihambise kuhle ngokuhamba kwempahla ephambi kwam, nangokuhamba kwabantwana, ndide ndifike enkosini yam kwaSehire.

15Wathi uEsawu, Makhe ndiyishiye kuwe inxenye yabantu abanam. Wathi yena, Ngani na? Mandibabalwe emehlweni enkosi yam.

16Wabuya ngaloo mhla uEsawu ngendlela yakhe, esiya kwaSehire.

17UYakobi wanduluka, waya eSukoti, wazakhela indlu, iinkomo zakhe wazibiyela iintlanti; ngenxa yoko kwathiwa igama laloo ndawo yiSukoti.

UYakobi umisa kwelakwaKanan

18Wafika uYakobi enoxolo emzini kaShekem, osezweni lakwaKanan, ekuveleni kwakhe ePadan-aram; wamisa iintente phambi komzi.

19Wathenga isiziba somhlaba, apho wayitwabulula khona intente yakhe, esandleni soonyana bakaHamore usoShekem, ngekhulu lemali.

20Wamisa khona isibingelelo, wathi ukusithiya nguThixo, uThixo kaSirayeli.

IGenesis 34

Ukoniwa kukaDina kuphindezelelwa nguSimon noLevi

1Ke kaloku uDina, intombi kaLeya, leyo wayizalela uYakobi, waphuma waya kubona iintombi zelo zwe.

2UShekem, unyana kaHamore umHivi, isikhulu selizwe, sambona, samthabatha, salala naye, samona.

3Umphefumlo wakhe wanamathela kuDina intombi kaYakobi; wayithanda intombi leyo, wathetha kakuhle nentombi.

4UShekem wathetha kuHamore uyise wathi, Ndízekele le ntombi ibe ngumfazi.

5Weva uYakobi ukuba umenze inqambi uDina, intombi yakhe. Ke oonyana bakhe baye besempahleni yakhe endle; wathi tu ke uYakobi, bada bafika.

6Waphuma uHamore, uyise kaShekem, eza kuthetha noYakobi.

7Bafika oonyana bakaYakobi bevela kwalusa. Bakuyiva le nto aba buhlungu amadoda lawo, avutha kunene ngumsindo, ngokuba wênza ubudenge kwaSirayeli ngokulala nentombi kaYakobi, into leyo engeyakwenziwa.

8Wathetha uHamore nabo, esithi, UShekem, unyana wam, umphefumlo wakhe uthene nca nentombi yakowenu; khanimnike ibe ngumkakhe;

9nendiselane nathi, nisinike iintombi zenu, nizeke iintombi zethu;

10nihlale nathi, ilizwe libe phambi kwenu; hlalani nirhwebe kulo, niqinìseke ukuma kulo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Wathi uShekem kuyise wayo, nakubanakwayo, Mandibabalwe emehlweni enu, nento eniyithethayo kum ndoninika.

12Yandisani kunene ikhazi phezu kwam, nesipho; ndoninika njengoko nithethayo kum; ndinikeni ke intombi leyo ibe ngumfazi.

13Oonyana bakaYakobi babaphendula ooShekem noHamore uyise ngenkohliso, bathetha nabo, ngokuba ebemenze inqambi uDina, udade wabo.

14Bathi kubo, Asinakuyenza le nto, yokuba udade wethu simnike indoda engalukanga; kuba loo nto ibe ingaba sisingcikivo kuthi.

15Sovumelana nani ngale ndawo yodwa, ukuba nithe naba njengathi, ngokuthi yaluke kuni yonke into eyindoda.

16Soninika ke iintombi zethu, sizeke iintombi zenu, sihlale nani, sibe bantu banye.

17Ukuba nithe anasiphulaphula ngokuthi naluke, soyithabatha intombi yethu, simke.

18Alunga amazwi abo emehlweni kaHamore, nasemehlweni kaShekem, unyana kaHamore.

19Akalibala umfana ukuyenza loo nto, kuba ubethabathekile yintombi kaYakobi; ubezukile yena ngaphezu kwayo yonke indlu kayise.

20Weza uHamore noShekem, unyana wakhe, esangweni lomzi wabo, bathetha kumadoda omzi, bathi;

21La madoda ayavana nathi; makahlale ezweni apha, arhwebe kulo; ilizwe eli, yabonani, libanzi ngeenxa zombini phambi kwawo; sozizeka iintombi zawo zibe ngabafazi, siwanike iintombi zethu.

22Ke ovumelana nathi ngale ndawo yodwa amadoda lawo, ukuhlala nathi, sibe bantu banye, yakwaluka kuthi yonke into eyindoda, njengokuba alukile wona.

23Imfuyo yawo, nengqwebo yawo, nawo onke amaqegu awo, akasayi kuba ngawethu na? Siya kuthi kodwa sivumelane nawo, ukuba ahlale nathi.

24Bamphulaphula ke uHamore noShekem unyana wakhe, bonke abaphuma ngesango lomzi wabo. Yalùswa yonke into eyindoda, bonke abaphuma ngesango lomzi wabo.

25Kwathi ngomhla wesithathu, bakuba buhlungu, besuka oonyana ababini bakaYakobi, uSimon noLevi, abanakwabo boDina, bathabatha walowo ikrele lakhe, bawufikela loo mzi ungakhumbulele nto, babulala yonke into eyindoda.

26Babulala noHamore, noShekem unyana wakhe, ngohlangothi lwekrele, bamthabatha uDina endlwini kaShekem, baphuma.

27Oonyana bakaYakobi babafikela ababuleweyo, bawuphanga umzi, ngokuba bebemenze inqambi udade wabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Impahla yabo emfutshane, neenkomo zabo, namaesile abo, neento zonke ezibe
ziphakathi komzi, nezibe zisendle, bazithabatha; nobutyebi babo bonke,

29nabantwana babo bonke, nabafazi babo, babathimba, baphanga neento zonke ebe
zisendlwini.

30UYakobi wathi kuSimon nakuLevi, Nindihlisele ishwangusha, ukuze ndinuke
phakathi kwabemi belizwe eli, phakathi kwamaKanan, naphakathi kwamaPerizi;
ndibantu bambalwa nje mna, baya kundihlanganyela, bandibulale, nditshatyalaliswe
mna, nendlu yam.

31Bathi bona, Udade wethu angáphathwa njengehenyukazi yini na?

IGenesis 35

UYakobi wakha isibingelelo eBheteli

1Ke kaloku wathi uThixo kuYakobi, Suka uye eBheteli, uhlale khona, wenze khona
isibingelelo kuThixo, owabonakalayo kuwe ekubalekeni kwakho ebusweni
bukaEsawu, umkhuluwa wakho.

2Wathi ke uYakobi kwindlu yakhe, nakubo bonke ababenaye, Susani izithixo
zasemzini eziphakathi kwenu, nina nizihlambulule, ninxibe ngubo zimbi;

3sisuke, sinyuke siye eBheteli, senze khona isibingelelo kuThixo, owandiphendula
ngomhla wokubandezeleka kwam, obe nam endleleni endandihamba ngayo.

4Bazinika uYakobi zonke izithixo zasemzini ebezisesandleni sabo, namajikazi
abesezindlebeni zabo; uYakobi wazimbela phantsi komoki obungakwaShekem.

5Banduluka; uqhiphulo-mbilini ngoThixo lwaba phezu kwemizi ngeenxa zonke kubo,
àyabasukela oonyana bakaYakobi.

6Wafika uYakobi eLuzi, esezweni lakwaKanan, ekwayiBheteli, yena nabo bonke
abantu ababenaye.

7Wàkha khona isibingelelo, wathi loo ndawo ukuyibiza nguThixo waseBheteli; kuba
kulapho uThixo wazityhilayo kuye, ekubalekeni kwakhe ebusweni bomkhuluwa
wakhe.

8Wafa uDebhora, umanyisikazi kaRebheka, wangcwatywa ngasezantsi kweBheteli,
phantsi kom-oki; kwathiwa igama layo nguMoki wokuLila.

9UThixo wabuya wabonakala kuYakobi ekuveleni kwakhe ePadan-aram, wamsikelela.

10Wathi uThixo kuye, Igama lakho nguYakobi; akuyi kuba sathiwa igama lakho
nguYakobi, kuya kuthiwa igama lakho nguSirayeli; wamthiya ke igama elinguSirayeli.

11Wathi uThixo kuye, NdinguThixo uSomandla. Qhama, wande; uhlanga nesikhungu
seentlanga siya kuvela kuwe, nookumkani baphume esinqeni sakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ilizwe endalinika uAbraham noIsake ndiliniké wena; ndiliniké imbewu yakho emva kwakho ilizwe elo.

13Wenyuka uThixo, wemka kuye kuloo ndawo abethethe naye kuyo.

14UYakobi wamisa isimiso kuloo ndawo abethethe naye kuyo, isimiso samatye; wathulula phezu kwaso umnikelo othululwayo, wagalela neoli phezu kwaso.

15UYakobi wathi igama laloo ndawo, uThixo abethethe naye kuyo, yiBheteli.

Ukufa kukaRakeli nokukaIsake

16Banduluka eBheteli. Kwathi, kusemganyana ukuba kufikwe e-Efrata, wazala uRakeli, kwaba nzima ukuzala kwakhe.

17Kwathi, kwakuba nzima ukuzala kwakhe, wathi umzalisikazi kuye, Musa ukoyika, kuba naló ngunyana wakho.

18Kwathi ekuphumeni komphefumlo wakhe, kuba wafayo, wathi nguBhenoni igama lakhe; ke yena uyise wathi nguBhenjamin.

19Wafa ke uRakeli, wangcwatyelwa endleleni yase-Efrata eyiBhetelehem.

20UYakobi wamisa isimiso phezu kwengcwaba lakhe; sisimiso sengcwaba likaRakeli nanamhla.

21USirayeli wayincothula intente yakhe, waya wayitwabulula ngaphaya kweMigdoli-edere.

22Kwathi, ekuhlaleni kukaSirayeli kwelo zwe, waya uRubhen, wamlala uBhiliha, ishweshwe likayise; weva ke uSirayeli. Oonyana bakaYakobi babelishumi elinababini.

23Oonyana bakaLeya nguRubhen, owamazibulo kuYakobi, noSimon, noLevi, noYuda, noIsakare, noZebhulon.

24Oonyana bakaRakeli nguYosefu noBhenjamin.

25Oonyana bakaBhiliha, umkhonzazana kaRakeli, nguDan noNafetali.

26Oonyana bakaZilipa, umkhonzazana kaLeya, nguGadi noAshere. Ngabo abo oonyana bakaYakobi, awabazalelwa ePadan-aram.

27UYakobi waya kuIsake uyise kwaMamre, eKiriyati ka-Arbha, eHebron, apho babengabaphambukeli khona uAbraham noIsake.

28Imihla kaIsake yaba yiminyaka elikhulu elinamanci asibhozo.

29UIsake waphuma umphefumlo, wafa, wahlanganiselwa kwabakowabo, aluphele, ephelele ebudaleni. Bamngcwaba ooEsawu noYakobi, oonyana bakhe.

IGenesis 36

Inzala kaEsawu

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Yiyo le ke inzala kaEsawu, onguEdom.

2UEsawu wabazeka abafazi bakhe ezintombini zakwaKanan: uAda, intombi kaElon umHeti, noAholibhama, intombi ka-Ana, intombi kaTsibheyon umHivi;

3wazeka noBhasemati, intombi kaIshmayeli, udade boNebhayoti.

4UAda wamzalela uEsawu uElifazi: uBhasemati wazala uRehuweli.

5UAholibhama wazala uYehushe, noYalam, noKora. Ngabo abo oonyana bakaEsawu, awabazalelwayo ezweni lakwaKanan.

6UEsawu wabathabatha abafazi bakhe, noonyana bakhe, neentombi zakhe, nabendlu yakhe yonke, nemfuyo yakhe, namaqegu akhe onke, nengqwebo yakhe yonke abeyiqwebile ezweni lakwaKanan, waya kwelinye ilizwe, emka ngenxa kaYakobi umninawa wakhe.

7Kuba ingqwebo yabo ibininzi, ukuze bangabi nakuhlala ndawonye; nelizwe lokuphambukela kwabo libe lingenakubathwala, ngenxa yemfuyo yabo.

8Wahlala uEsawu entabeni yakwaSehire. UEsawu ke lowo nguEdom.

9Yiyo le ke inzala kaEsawu, uyise wamaEdom, entabeni yakwaSehire.

10Ngawo la ke amagama oonyana bakaEsawu: nguElifazi, unyana ka-Ada, umkaEsawu; nguRehuweli, unyana kaBhasemati, umkaEsawu.

11Oonyana bakaElifazi nguTeman, no-Omare, noTsefo, noGatam, noKenazi.

12UTimna ebelishweshwe likaElifazi, unyana kaEsawu, wamzalela uElifazi uAmaleki;

13ngabo abo oonyana baka-Ada, umkaEsawu. Ngabo aba oonyana bakaRehuweli: uNahati, noZera, noShama, noMiza. Ngabo abo oonyana bakaBhasemati, umkaEsawu.

14Ngabo aba oonyana baka-Aholibhama, intombi ka-Ana, intombi kaTsibheyon, umkaEsawu: wamzalela uEsawu uYehushe, noYalam, noKora.

15Zizo ezi izikhulu zoonyana bakaEsawu: oonyana bakaElifazi, owamazibulo kuEsawu, sisikhulu esinguTeman, isikhulu esinguOmare, isikhulu esinguTsefo, isikhulu esinguKenazi, isikhulu esinguKora, isikhulu esinguGatam, isikhulu esinguAmaleki.

16Zizo ezo izikhulu zakwaElifazi ezweni lakwaEdom; ngabo abo oonyana baka-Ada.

17Ngabo aba oonyana bakaRehuweli, unyana kaEsawu: sisikhulu esinguNahati, isikhulu esinguZera, isikhulu esinguShama, isikhulu esinguMiza; zizo ezo izikhulu zakwaRehuweli ezweni lakwaEdom; ngabo abo oonyana bakaBhasemati, umkaEsawu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ngabo aba oonyana baka-Aholibhama, umkaEsawu: sisikhulu esinguYehushe, isikhulu esinguYalam, isikhulu esinguKora; zizo ezo izikhulu zakwa-Aholibhama, intombi ka-Ana, umkaEsawu.

19Ngabo abo oonyana bakaEsawu, zizo ezo izikhulu; nguEdom ke lowo.

20Ngabo aba oonyana bakaSehire umHori, ababemi kwelo zwe: uLotan, noShobhali, noTsibheyon, noAna,

21noDishon, noEtsere, noDishan; zizo ezo izikhulu zamaHori, oonyana bakaSehire, ezweni lakwaEdom.

22Oonyana bakaLotan babengamaHori, noHemam; udade boLotan nguTimna.

23Ngabo aba oonyana bakaShobhali: nguAlevan, noManahati, noEbhali, noShefo, no-Onam.

24Ngabo aba oonyana bakaTsibheyon: nguAya noAna. Ngulo Ana wayifumanayo imithombo eshushu entlango, esalusa amaesile kaTsibheyon uyise.

25Ngabo aba oonyana baka-Ana: nguDishon; uAholibhama wayeyintombi ka-Ana.

26Ngabo aba oonyana bakaDishon: nguHemdan, noEshbhan, noItran, noKeran.

27Ngabo aba oonyana bakaEtsere:

28nguBhilehan, noZavan, noAkan. Ngabo aba oonyana bakaDishan: ngu-Utse noAran.

29Zizo ezi izikhulu zamaHori: isikhulu esinguLotan, isikhulu esinguShobhali, isikhulu esinguTsibheyon, isikhulu esinguAna,

30isikhulu esinguDishon, isikhulu esinguEtsere, isikhulu esinguDishan; zizo ezo izikhulu zamaHori, ngokwezikhulu zabo ezweni lakwaSehire.

31Ngabo aba ookumkani ababelawula ezweni lakwaEdom, kungekabikho kumkani unobukumkani kubo oonyana bakaSirayeli:

32uBhela, unyana kaBhehore, walawula kwaEdom; igama lomzi wakhe yiDinabha.

33Wafa uBhela, wathi uYobhabhi, unyana kaZera waseBhotsera, walawula esikhundleni sakhe.

34Wafa uYobhabhi, wathi uHusham, wasezweni lamaTeman, walawula esikhundleni sakhe.

35Wafa uHusham, wathi uHadadi, unyana kaBhedadi, owawatshabalalisayo amaMidiyan emhlabeni wamaMowabhi, walawula esikhundleni sakhe; igama lomzi wakhe yiAviti.

36Wafa uHadadi, wathi uSamla waseMasereka walawula esikhundleni sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Wafa uSamla, wathi uSawule, waseRehobhoti yoMlambo, walawula esikhundleni sakhe.

38Wafa uSawule, wathi uBhahali-hanan, unyana ka-Akebhore, walawula esikhundleni sakhe.

39Wafa uBhahali-hanan, unyana ka-Akebhore, wathi uHadare walawula esikhundleni sakhe; igama lomzi wakhe yiPawu; igama lomkakhe nguMehetabheli, intombi kaMatrede, intombi kaMezahabhi.

40Ngawo la amagama ezikhulu zakwaEsawu ngokwezizwe zazo, ngokweendawo zazo, ngamagama azo: isikhulu esinguTimna, isikhulu esinguAleva, isikhulu esinguYetete,

41isikhulu esinguAholibhama, isikhulu esinguEla, isikhulu esinguPinon,

42isikhulu esinguKenazi, isikhulu esinguTeman, isikhulu esinguMibhetsare,

43isikhulu esinguMagediyeli, isikhulu esinguIram. Zizo ezo izikhulu zakwaEdom, ngokwamakhaya azo, ezweni lokuma kwazo. NguEsawu ke lowo uyise wamaEdom.

IGenesis 37

UYosefu uthiyiwe ngabakhuluwa bakhe; uthengiselwa eYiputa

1Ke kaloku uYakobi wahlala ezweni lokuphambukela kukayise, ezweni lakwaKanan.

2Yiyo le ke inzala kaYakobi. UYosefu, engominyaka ilishumi linesixhenxe ezelwe, wayesalusa impahla emfutshane ndawonye nabakhuluwa bakhe; yena ke, engumfana, wayenoonyana bakaBhiliha, noonyana bakaZilipa, abafazi bakayise. UYosefu wazisa udaba lwabo olubi kuyise.

3USirayeli wayemthanda uYosefu ngaphezu kwabo bonke oonyana bakhe, ngokuba ebengunyana wokwaluphala kwakhe; yena wamenzela ke ingubo ende enemikhono.

4Abakhuluwa bakhe babona ukuba uyise umthanda ngaphezu kwabo bonke, bamthiya, ababa nakuthetha naye bexolile.

5UYosefu waphupha iphupha, wabaxelela abakhuluwa bakhe; kwaba kukhona bamthiyayo.

6Wathi kubo, Khanilive eli phupha ndiliphuphileyo.

7Yabonani, besibopha izithungu entsimini phakathi; saza isithungu sam sesuka sema; zaza izithungu zenu zasingqonga, zaqubuda kwisithungu sam.

8Abakhuluwa bakhe bathi kuye, Yinene na ukuba uya kuba ngukumkani phezu kwethu? Yinene na ukuba uya kusilawula? Kwaba kukhona bamthiyayo ngenxa yamaphupha akhe, nangenxa yamazwi akhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wabuya waphupha elinye iphupha, walixela kubakhuluwa bakhe, wathi, Yabonani, ndibuye ndaphupha iphupha; ndiphuphé ilanga nenyanga neenkwenkwezi ezilushumi elinanye ziqubuda kum.

10Wakuxela kuyise, nakubakhuluwa bakhe. Uyise wamkhalimela, wathi kuye, Liphupha lini na eli uliphuphileyo? Mna, nonyoko, nabakhuluwa bakho, soza size kuqubuda kuwe na emhlabeni?

11Abakhuluwa bakhe bammonela, ke yena uyise waligcina eli lizwi.

12Ke kaloku abakhuluwa bakhe baya kwalusa impahla emfutshane kayise kwaShekem.

13USirayeli wathi kuYosefu, Abakhuluwa bakho àbalusi eShekem na? Yiza, ndikuthume kubo.

14Wathi yena kuye, Ndilapha. Wathi kuye, Khawuye kukhangela ukuphila kwabakhuluwa bakho, nokuphila kwempahla emfutshane; ubuye uze kundixelela. Wamthuma ke, emsusa entilini yaseHebron, waya eShekem.

15Wafunyanwa ngumfo, ebhadula endle; umfo lowo wambuza wathi, Ùfuna ntoni na?

16Wathi, Ndifuna abakhuluwa bam; khawundixelele apho balusa khona.

17Wathi umfo, Bandulukile apha, kuba khendeva besithi, Masiye eDotan. UYosefu wabalandela abakhuluwa bakhe, wabafumana eDotan.

18Bambona ke esekude, engekasondeli kubo, benza iyelenqe lokumbulala.

19Bathetha omnye komnye besithi, Nanko lo mphuphi esiza.

20Yizani ke ngoko, simbulale, simphose komnye wemihadi, sithi, Udliwe lirhamncwa, size sibone ukuba amaphupha akhe oba yintoni na.

21Weva uRubhen, wamhlangula esandleni sabo; wathi, Masingambulali afe.

22Wathi uRhubhen kubo, Musani ukuphalaza gazi; mphoseni kulo mhadi usentlango; musani ukumsa sandla. Watsho, ukuze amhlangule esandleni sabo, ambuyisele kuyise.

23Kwathi akufika uYosefu kubakhuluwa bakhe, bamhluba uYosefu ingubo yakhe, ingubo ende enemikhono abenayo;

24bamthabatha, bamphosa emhadini; umhadi lowo ube uzé, kungekho manzi kuwo.

25Bahlala phantsi, badla isonka; baphakamisa amehlo abo, bakhangela, nango umkhoko wamaIshmayeli uvela eGiliyadi, uneenkamela zithwele intlaka emhlophe, namafutha aqholiweyo, nentlaka emnandi, besihla nazo besiya eYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26UYuda wathi kubazalwana bakhe, Yinzuzoni na ukuthi simbulale umninawa wethu, sifihle igazi lakhe?

27Yizani sithengise ngaye kumaIshmayeli; isandla sethu masingabi phezu kwakhe, ngokuba ngumzalwana wethu, yinyama yethu. Bamphulaphula abazalwana bakhe.

28Adlula amaMidiyan lawo angabarhwebi; bamrhola, bamkhupha uYosefu emhadini, bathengisa ngoYosefu kumaIshmayeli ngeesilivere ezimashumi mabini; amsa uYosefu eYiputa.

29Wabuyela uRubhen emhadini. Yini? UYosefu akakho emhadini; wazikrazula iingubo zakhe.

30Wabuyela kubaninawa bakhe, wathi, Umfana akakho; mna ke ndosuka ndiye ngaphi na?

31Bayithabatha ingubo kaYosefu, baxhela inkunzi yebhokhwe exhonti, bayithi nkxu ingubo egazini.

32Bayithumela ingubo ende enemikhono ekhaya, bayisa kuyise, bathi, Siyichole; khawufanise, ukuba yingubo yonyana wakho, asiyiyo, sini na?

33Wayifanisa, wathi, Yingubo yonyana wam; udliwe lirhamncwa; inene, uqwengiwe uYosefu.

34UYakobi wazikrazula iingubo zakhe, wabeka ezirhwexayo esinqeni sakhe, wamenzela isijwili unyana wakhe imihla emininzi.

35Besuka bonke oonyana bakhe, nazo zonke iintombi zakhe, beza kumthuthuzela; akavuma kuthuthuzelwa, wathi, Ndiya kuhla ndiye kunyana wam kwelabafileyo, ndisenza isijwili. Uyise wamlilela ke.

36AmaMidiyan aya athengisa ngaye eYiputa kuPotifare, umbusi wakwaFaro, umthetheli wabasiki.

IGenesis 38

Imbali kaYuda

1Kwathi ngelo xesha, wehla uYuda, esuka kubazalwana bakhe, waya wayimisa intente yakhe ngakwindoda yaseAdulam, egama linguHira.

2UYuda wabona khona intombi yendoda engumKanan, egama linguShuwa; wayizeka, wayingena.

3Yamitha, yazala unyana; wathi igama lakhe nguEre.

4Yabuya yamitha, yazala unyana; yathi igama lakhe nguOnan.

5Yabuya yaphinda yamitha, yazala unyana; yathi igama lakhe nguShela; wayeseKezibhi ukumzala kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6UYuda wamzekela uEre, amazibulo akhe, umfazi ogama linguTamare.

7Ke uEre, amazibulo kaYuda, ubeneentlondi ezimbi emehlweni kaYehova; waza uYehova wambulala.

8UYuda wathi kuOnan, Yiya kumfazi womkhuluwa wakho, umngene, umvelisele imbewu umkhuluwa wakho.

9Wayesazi uOnan ukuba imbewu ayiyi kuba yeyakhe; wathi, xa sukuba esiya kumfazi womkhuluwa wakhe, wayiphalazela emhlabeni, ukuze angamniki mbewu umkhuluwa wakhe.

10Kwaba kubi emehlweni kaYehova oko wakwenzayo; ngoko wambulala naye.

11Wathi uYuda kuTamare, umolokazana wakhe, Hlala ungumhlolokazi endlwini kayihlo, ade akhule uShela, unyana wam; kuba wathi, Hleze afe naye, njengabakhuluwa bakhe. Wemka uTamare, waya kuhlala endlwini kayise.

12Zakuba ninzi iintsuku, yafa intombi kaShuwa, umkaYuda. Akuthuthuzeleka uYuda, wenyuka waya kubachebi bempahla yakhe emfutshane, yena noHira, isihlobo sakhe saseAdulam, kwaTimna.

13Waxelelwa uTamare kwathiwa, Nanko uyihlozala, enyuka esiya kucheba impahla yakhe emfutshane kwaTimna.

14Wazisusa iingubo zobuhlolokazi bakhe, wazigqubuthela ngesigqubuthelo, wazithi wambu, wahlala phantsi esangweni le-Enayim, engasendleleni eya kwaTimna; kuba ubebona ukuba ukhulile uShela, àkasiwa noko kuye ukuba abe ngumkakhe.

15UYuda wambona, waba ulihenyukazi, kuba ebegqubuthele ubuso.

16Wathi gu bucala, waya kuye endleleni, wathi, Khawuze, ndikungene; kuba ubengazi ukuba ngumolokazana wakhe. Wathi, Wòndinika ntoni na, ukuze ndikuvumele ukuba undingene?

17Wathi, Mna ndothumela ndithabathe itakane lebhokwe elisempahleni emfutshane. Wathi, Ewe, ukuba uthe wandinika isibambiso, ude ulithumele kum.

18Wathi, Ndíkunike sibambiso sini na? Wathi yena, Umsesane wakho, nesidanga sakho, nomsimelelo wakho osesandleni sakho. Wamnika ke, wamngena, wamitha yena ngaye.

19Wesuka wemka, wasisusa isigqubuthelo sakhe, wambatha iingubo zobuhlolokazi bakhe.

20UYuda walithumela itakane lebhokhwe ngesandla sesihlobo sakhe saseAdulam, ukuze samkele isibambiso esandleni senkazana leyo; asiyifumananga ke.

21Sabuza kubantu baloo ndawo, sathi, Liphi na ing'awukazi ebe lise-Enayim ngasendleleni? Bathi, Akubangakho ng'awukazi apha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Sabuyela kuYuda sathi, Andilifumananga; nabo abantu baloo ndawo bathe, Akubangakho ng'awukazi apha.

23Wathi uYuda, Malizithabathe, hleze sidelwe. Yabona, ndithumele eli takane, ke wena akulifumananga.

24Kwathi, emva kweenyanga ezintathu, waxelelwa uYuda kwathiwa, UTamare, umolokazana wakho, uhenyuzile; kananjalo, yabona, umithi ngokuhenyuza oko. UYuda wathi, Mkhupheni atshiswe.

25Akukhutshwa, wathumela yena kuyisezala, wathi, Ndimithiswe yindoda ezizezayo ezi zinto; wathi, Khawufanise ukuba ngokabani na lo msesane, nesi sidanga, nalo msimelelo.

26Wazifanisa uYuda, wathi, Ulilungisa kunam; wenzé kuba ndingamnikanga uShela, unyana wam. Akabanga sabuya amazi.

27Kwathi, ngexesha lokuzala kwakhe, nanku ingamawele esizalweni sakhe.

28Kwathi, ekuzaleni kwakhe, kwavela isandla; wathabatha umzalisikazi, wabopha esandleni salo usinga olubomvu, esithi, Eli laphuma kuqala.

29Kuthe ke, lakusibuyisa isandla salo, nanko kuphuma umzalwana walo. Wathi, Yini na ukuba uzityhobozele? Wathiywa ke igama lokuba nguPeretse.

30Kwathi emva koko, kwaphuma umzalwana walo, obenosinga olubomvu esandleni sakhe; wathiywa igama lokuba nguZera.

IGenesis 39

UYosefu endlwini kaPotifare

1Ke kaloku uYosefu wahliswa wasiwa eYiputa. UPotifare, umbusi wakwaFaro, umthetheli wabasiki, umYiputa, wamthenga kumaIshmayeli, abemhlisele khona.

2UYehova waba naye uYosefu, waba yindoda enempumelelo; waba sendlwini yenkosi yakhe, umYiputa lowo.

3Yabona inkosi yakhe ukuba uYehova unaye, ukuba zonke izinto abezenza, uYehova ubezenza zibe nempumelelo esandleni sakhe.

4UYosefu wababalwa emehlweni ayo, wayilungiselela; yamenza umveleli wendlu yayo, neento zonke ebinazo yazinikela esandleni sakhe.

5Kwathi, ukususela ekubeni yamenza umveleli wendlu yayo neento zonke ebinazo, wayisikelela uYehova indlu yomYiputa lowo ngenxa kaYosefu. Yabakho intsikelelo kaYehova ezintweni zonke ebinazo, endlwini nasezindle.

6Zonke izinto ebinazo yaziyekela esandleni sikaYosefu, ayakhathalela nanye into ebikuye, ingesiso isonka esidlayo. Ke uYosefu ebemhle isiqu, emhle imbonakalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Kwathi emveni kwezi zinto, umfazi wenkosi yakhe waphosa amehlo akhe kuYosefu, wathi, Ndilale.

8Wamangala, wathi kumka-nkosi yakhe, Yabona, inkosi yam ayikhathalele nto ikum isendlwini, nezinto zonke enazo izinikele esandleni sam.

9Akukho bani mkhulu kum kule ndlu; ayinqabisanga nento le kum, nguwe wedwa, ngokokuba ungumkayo; ndingáthini na ke ukwenza obu bubi bukhulu kangaka, ndone kuThixo?

10Kwathi, nakuba ebethetha kuYosefu imihla ngemihla, akamphulaphula yena ukuba alale ecaleni lakhe, nokuthi abe naye.

11Kwathi kuloo mihla, wangena endlwini eya kusebenza umsebenzi wakhe; kwaye kungekho nanye yakumadoda endlu endlwini apho.

12Wambamba ngengubo wathi, Ndilale. Wayishiya ingubo yakhe esandleni sakhe, wabaleka, waphumela phandle.

13Kwathi, akubona ukuba uyishiyile ingubo yakhe esandleni sakhe, ubalekele phandle,

14wabiza amadoda endlu yakhe, wathetha kuwo, esithi, Khangelani, úsizisele indoda engumHebhere, ukuba idlale ngathi; izile kum, isiza kundilala, ndakhala ngezwi elikhulu;

15yathi, yakuva ndiphakamisa izwi, ndikhala, yayishiya ingubo yayo ecaleni lam, yabaleka, yaphumela phandle.

16Wayibeka phantsi ingubo yayo ecaleni lakhe, yada yafika inkosi yakhe endlwini yayo.

17Wathetha kuyo ngokwaloo mazwi esithi, Sizé kum isicaka esingumHebhere, esi usizisele sona, ukuba sidlale ngam;

18kuthe, ndakuliphakamisa izwi lam, ndikhala, sayishiya ingubo yaso ecaleni lam, sabalekela phandle.

19Ithe, yakuweva inkosi yakhe amazwi omkayo awawathethayo kuyo, esithi, Senjenje isicaka sakho kum, wavutha umsindo wayo.

20Inkosi kaYosefu yamthabatha, yamfaka entolongweni, kuloo ndawo apho amakhonkxwa okumkani abekhonkxwa khona, waba sentolongweni apho ke.

21UYehova ubenoYosefu, wamthobela inceba, wenza ukuba athandwe ngumphathi wentolongo.

22Umphathi wentolongo wawanikela kuYosefu onke amakhonkxwa asentolongweni, ukuze zonke izinto ezisukuba zisenziwa khona, abe nguye ozenzayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Umphathi wentolongo akakhathalelanga nto isesandleni sakhe, ngenxa yokuba uYehova ubenaye; zonke izinto ebesakuzenza, uYehova ubeziphumelelisa.

IGenesis 40

UYosefu utyhilela umngcamli kaFaro nomoji wakhe amaphupha abo entolongweni

1Kwathi emveni kwezi zinto, umngcamli wokumkani waseYiputa, nomoji wezonka zakhe, bayona inkosi yabo, ukumkani waseYiputa.

2UFaro waba noburhalarhume kubo ababusi bakhe bobabini, umphathi wabangcamli nomphathi waboji bezonka.

3Wabanikela elugcinweni, endlwini yomthetheli wabasiki entolongweni, endaweni abekhonkxelwe kuyo uYosefu.

4Umthetheli wabasiki wamenza uYosefu umveleli wabo, wabalungiselela; baba nomzuzu beselugcinweni.

5Baphupha iphupha bobabini; elowo waphupha iphupha lakhe ngabusuku bunye, elowo ngokokutyhilwa kwephupha lakhe, umngcamli nomoji wezonka bokumkani waseYiputa, ababekhonkxiwe entolongweni.

6UYosefu wangena kubo kwakusa, wabakhangela, wafika bematshekile.

7Wababuza ababusi bakwaFaro, ababenaye elugcinweni endlwini yenkosi yakhe, esithi, Kutheni na ukuba ubuso benu bube bubi namhlanje?

8Bathi kuye, Siphuphé iphupha; akukho ulityhilayo. UYosefu wathi kubo, Izityhilo asizezikaThixo na? Khanindixelele iphupha elo.

9Umphathi wabangcamli wamxelela uYosefu iphupha lakhe, wathi kuye, Ephupheni lam ndibone umdiliya uphambi kwam;

10emdiliyeni apho amasebe emathathu, wangathi wona uphuma amathupha, wadubula iintyantyambo zawo, izihloko zawo zavuthwa zaziidiliya;

11indebe kaFaro isesandleni sam; ndizithàbathe iidiliya, ndizifaxange endebeni kaFaro, ndiyinikele indebe esandleni sikaFaro.

12UYosefu wathi kuye, Siso esi isityhilo salo: amasebe amathathu lawo yimihla emithathu;

13kusele imihla emithathu, aze uFaro ayiphakamise intloko yakho, akubuyisele endaweni yakho, uyinikele indebe kaFaro esandleni sakhe ngokwesiko langaphambili, oko ubungumngcamli wakhe.

14Uze undikhumbule ke, wakulungelwa, undenzele inceba, undikhankanye kuFaro, undikhuphe kule ndlu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15ngokuba inene ndabiwa ezweni lamaHebhere, nalapha andenzanga nto, ukuba bandifake emhadini lo.

16Umphathi waboji-zonka wabona ukuba isityhilo eso silungile, wathi kuYosefu, Nam ndiphuphile; ndibone iingobozi ezintathu zezonka ezimhlophe ezisentlokweni yam;

17engobozini ephezulu kukho izidlo ngezidlo zonke zikaFaro ezingumsebenzi womoji-zonka, iintaka zisidla kweyona ngobozi iphezulu entlokweni yam.

18Waphendula uYosefu wathi, Siso esi isityhilo salo: iingobozi ezintathu ezo yimihla emithathu;

19kusele imihla emithathu, aze uFaro ayiphakamise intloko yakho, isuke kuwe, akuxhome emthini, ziyidle iintaka inyama yakho iphele.

20Kwathi ngomhla wasithathu, umhla wokuzalwa kukaFaro, wabenzela isidlo bonke abakhonzi bakhe, wayiphakamisa intloko yomphathi wabangcamli, nentloko yomphathi waboji bezonka phakathi kwabakhonzi bakhe.

21Wambuyisela umphathi wabangcamli kubungcamli bakhe; wayinikela indebe esandleni sikaFaro.

22Ke yena umphathi waboji bezonka wamxhoma, njengoko uYosefu wabatyhilelayo.

23Umphathi wabangcamli akamkhumbulanga uYosefu, wamlibala.

IGenesis 41

UYosefu utyhilela uFaro iphupha lakhe; uyakhululwa; uyanyuselwa

1Kwathi, ekupheleni kweminyaka emibini ezeleyo, uFaro waphupha emi phezu komlambo;

2nanko kunyuka, kuphuma emlanjeni, amathokazi asixhenxe amahle, etyebile, esidla engcotyeni;

3nanko kunyuka, kuphuma emlanjeni, amanye amathokazi asixhenxe emva kwawo, emabi, enqinile; ema ecaleni lamanye amathokazi lawo elunxwemeni lomlambo;

4asuka amathokazi amabi, anqinileyo, awadla amathokazi asixhenxe amahle, atyebileyo. Waphaphama uFaro.

5Walala, waphupha okwesibini. Wabona izikhwebu ezisixhenxe ziphuma mcingeni mnye, zityebile, zilungile.

6Nanzo izikhwebu ezisixhenxe ezingcakacileyo, ezitshileyo lulophu lwasempumalanga, ziphuma emva kwazo;

7zesuka izikhwebu ezingcakacileyo zaziginya izikhwebu zosixhenxe ezityebileyo, ezichumileyo. Wavuka uFaro, O, liphupha!

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Kwathi kusasa, umoya wakhe wangqunga; wathumela, wazibiza zonke izazi zaseYiputa, izilumko zonke zakhona. UFaro wazixelela iphupha lakhe; akwabakho bani kuzo unokuwatyhila kuFaro.

9Wathetha umphathi wabangcamli kuFaro, esithi, Ndiyasikhumbula namhlanje isono sam.

10UFaro wayenoburhalarhume kubakhonzi bakhe, wandinikela elugcinweni endlwini yomthetheli wabasiki, mna lo, nomphathi waboji bezonka.

11Saphupha iphupha ngabusuku bunye, mna naye; walowo waphupha ngokutyhilwa kwephupha lakhe.

12Kwakukho kuthi umfana ongumHebhere, isicaka somthetheli wabasiki, sasixelela, sasityhilela amaphupha ethu, samtyhilela elowo ngokwephupha lakhe.

13Kwathi, ngokoko sisityhileleyo, kwaba njalo; mna wàndibuyisela endaweni yam, omnye lowo wamxhoma.

14UFaro wathumela, wambiza uYosefu. Bamgidimisa ukumkhupha emhadini; wazicheba, wanxiba ngubo zimbi, weza kuFaro.

15Wathi uFaro kuYosefu, Ndiphuphe iphupha, akukho bani unokulityhila; mna ndive kusithiwa ngawe, ùyaliva iphupha ulityhile.

16UYosefu wamphendula uFaro, esithi, Akunam; uThixo uya kuphendula into yokumsindisa uFaro.

17UFaro wathetha kuYosefu, wathi, Ephupheni lam, yabona, bendimi elunxwemeni lomlambo;

18nanko kunyuka, kuphuma emlanjeni, amathokazi asixhenxe etyebile, emahle, esidla engcotyeni;

19nanko, kunyuka kuphuma amanye amathokazi asixhenxe emva kwawo, ebhityile, emabi kakhulu, engamarhoqorhoqo, endingazanga ndibone anjalo kulo lonke ilizwe laseYiputa, ukuba mabi kwawo;

20amathokazi angamarhoqorhoqo, amabi, awadla awokuqala amathokazi asixhenxe atyebileyo;

21angena embilinini wawo àkwazeka ukuba angenile embilinini wawo; imbonakalo yawo yambi, njengasekuqaleni. Ndaphaphama.

22Ndabona ephupheni lam, izikhwebu ezisixhenxe ziphuma micingeni mnye, zichumile, zilungile;

23nanzo, izikhwebu ezisixhenxe zishwabene, zingcakacile, zitshile lulophu lwasempumalanga, zihluma emva kwazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Zesuka izikhwebu ezingcakacileyo, zaziginya izikhwebu ezisixhenxe ezilungileyo. Ndathetha nezazi; akukho bani kuzo undixelelayo.

25UYosefu wathi kuFaro, Iphupha likaFaro linye; uThixo umxelele uFaro oko aya kukwenza.

26Amathokazi asixhenxe alungileyo yiminyaka esixhenxe; izikhwebu ezisixhenxe ezilungileyo yiminyaka esixhenxe; iphupha eli linye.

27Amathokazi asixhenxe angamarhoqorhoqo, amabi, anyukileyo aphuma emva kwalawo, yiminyaka esixhenxe; nezikhwebu ezisixhenxe ezinqinileyo, ezitshileyo lulophu lwasempumalanga, ziya kuba yiminyaka esixhenxe yendlala.

28Lelo lizwi ndilithethileyo kuFaro lokuthi: oko aya kukwenza uThixo ukubonisile kuFaro.

29Yabona, kuza iminyaka esixhenxe yendyebo enkulu ezweni lonke laseYiputa;

30ze kuvele iminyaka esixhenxe yendlala emva kwaleyo, ilityalwe yonke indyebo ezweni laseYiputa, indlala iligqibe ilizwe;

31ingàziwa indyebo elizweni, ngenxa yaloo ndlala iya kubakho emva kwayo, kuba iya kuba nzima kunene.

32Ukuphindwa kabini kwephupha elo kuFaro kukuqiniswa kwayo le ndawo nguThixo; úya kukhawuleza uThixo ukuyenza.

33Ngoko uFaro makakhangele indoda eyingqondi, esisilumko, ayimise phezu kwelizwe laseYiputa.

34Makenze le nto uFaro, alimisele abaveleli ilizwe, athabathe isihlanu selizwe laseYiputa ngeminyaka yosixhenxe yendyebo.

35Mababuthe konke ukudla kwaloo minyaka ilungileyo izayo, bafumbe ingqolowa phantsi kwesandla sikaFaro, ibe kukudla emizini, bayigcine;

36oko kudla kube yinto ebekelwe ilizwe iminyaka yosixhenxe yendlala, eya kubakho ezweni laseYiputa, lingatshabalali ilizwe yindlala.

37Lalunga elo zwi emehlweni kaFaro nasemehlweni abo bonke abakhonzi bakhe.

38UFaro wathi kubakhonzi bakhe, Sinokumfumana na umntu onje, onoMoya kaThixo?

39UFaro wathi kuYosefu, Ekubeni uThixo ekwazisile konke oku, akukho bani uyingqondi, usisilumko, njengawe.

40Ùya kuba phezu kwendlu yam wena, bawuthobele umlomo wakho bonke abantu bam; kusetroneni yodwa endiya kuba mkhulu kuwe.

41UFaro wathi kuYosefu, Khangela, ndikumisé phezu kwalo lonke ilizwe laseYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

42Wawukhulula uFaro umsesane wakhe esandleni sakhe, wawufaka esandleni sikaYosefu, wamambathisa iingubo zelinen ecikizekileyo, wanxiba umxokelelwane wegolide entanyeni yakhe.

43Wamkhwelisa enqwelweni yesibini abenayo, kwamenyezwa phambi kwakhe, kwathiwa, Guqani! Wammisa phezu kwalo lonke ilizwe laseYiputa.

44Wathi uFaro kuYosefu, NdinguFaro; ngaphandle kwakho, akukho bani uya kuphakamisa sandla sakhe, nalunyawo lwakhe, ezweni lonke laseYiputa.

45UFaro wamthiya uYosefu igama lokuba nguTsafenati-paneha, wamnika uAzenati, intombi kaPotifera, umbingeleli waseOn, ukuba abe ngumkakhe. Waphuma uYosefu, walihamba ilizwe laseYiputa.

46UYosefu wayeminyaka imashumi mathathu ezelwe, ukuma kwakhe phambi koFaro, ukumkani waseYiputa; waphuma uYosefu ebusweni bukaFaro, walicanda lonke ilizwe laseYiputa.

47Umhlaba wavelisa ngendiphane ngeminyaka esixhenxe yendyebo.

48Wakubutha konke ukudla kweminyaka esixhenxe ebikho ezweni laseYiputa, wakubeka ukudla kuyo imizi; ukudla kwamasimi abewungqongile umzi, wakubeka phakathi kwawo.

49UYosefu wayifumba ingqolowa yanjengentlabathi yolwandle, yaninzi kunene, wada wayeka ukubala, kuba ibingenakubalwa.

50UYosefu wazala oonyana bababini, wabazalelwa nguAzenati, intombi kaPotifera, umbingeleli waseOn, ingekafiki iminyaka yendlala.

51UYosefu wamthiya owamazibulo igama elinguManase; ngokuba wathi, UThixo undenzé ndakulibala konke ukwaphuka kwam, nayo yonke indlu kabawo.

52Owesibini wamthiya igama elinguEfrayim; ngokuba wathi, UThixo undiqhamisile ezweni leentsizi zam.

53Yaphela ke iminyaka yosixhenxe yendyebo ebisezweni laseYiputa.

54Yaqala ukufika iminyaka yosixhenxe yendlala, njengoko wayekuthethile uYosefu. Yabakho indlala kumazwe onke; ke ezweni lonke laseYiputa kwakukho isonka.

55Lonke ilizwe laseYiputa laba nendlala; abantu bakhalela isonka kuFaro; wathi uFaro kuwo onke amaYiputa, Yiyani kuYosefu; athe wakuthetha kuni nize nikwenze.

56Indlala yaba sezweni lonke; uYosefu wazivula zonke izindlu ezinokudla, wathengisa ngengqolowa kumaYiputa; kuba indlala yaba namandla ezweni laseYiputa.

57Lesuka ilizwe liphela, leza kuthenga ingqolowa kuYosefu eYiputa, kuba indlala ibinamandla kulo lonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IGenesis 42

Oonyana bakaYakobi abalishumi baya kuthenga ingqolowa eYiputa

1Wabona uYakobi ukuba kukho ingqolowa eYiputa, wathi uYakobi koonyana bakhe, Yini na ukuba nikhangelane?

2Wathi, Yabonani, ndivile ukuba kukho ingqolowa eYiputa; yihlani niye khona, nisithengele ingqolowa, siphile, singafi.

3Behla abakhuluwa bakaYosefu abalishumi, beya kuthenga ingqolowa eYiputa.

4Kodwa uBhenjamin, umninawa kaYosefu, uYakobi akamthumanga nabakhuluwa bakhe; kuba wathi, hleze ahlelwe yingozi.

5Oonyana bakaSirayeli beza kuthenga ingqolowa phakathi kwabo bezayo; kuba indlala ibikho ezweni lakwaKanan.

6UYosefu wayengumlawuli welizwe elo; yena wayethengisa ngengqolowa kubo bonke abantu belizwe elo; bafika ke abakhuluwa bakaYosefu, baqubuda kuye ngobuso emhlabeni.

7UYosefu wababona abakhuluwa bakhe, wabazi, wazenza ongabaziyo, wathetha nabo kalukhuni, wathi kubo, Nivela phi na? Bathi, Sivela ezweni lakwaKanan, size kuthenga ukudla.

8UYosefu wabazi abakhuluwa bakhe; ke bona abamnakananga.

9Wawakhumbula uYosefu amaphupha abewaphuphile ngabo, wathi kubo, Niziintlola nina; nizé kubona ubuzé belizwe eli.

10Bathi kuye, Hayi, nkosi; abakhonzi bakho baze kuthenga ukudla.

11Sonke siphela singoonyana bamfo mnye; siyalungisa, abakhonzi bakho àbazizo iintlola.

12Wathi kubo, Hayi, nizé kubona ubuzé belizwe eli.

13Bathi, Abakhonzi bakho balishumi elinababaini; siyazalana, singoonyana bamfo mnye ezweni lakwaKanan. Uyabona, omncinane ukubawo namhla, omnye akakho.

14Wathi uYosefu kubo, Yile nto bendiyithetha kuni, ndisithi, Niziintlola.

15Niya kucikidwa ngale ndawo: ehleli nje uFaro, anisayi kuphuma apha, ukuba akathanga eze apha umninawa wenu omncinane.

16Thumani omnye kuni apha, aphuthume umninawa wenu, nikhonkxwe nina; acikidwe amazwi enu ukuba ninenyaniso na; ukuba akubanga njalo, ehleli nje uFaro, inene noba niziintlola.

17Wabanikela bonke elugcinweni imihla yamithathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18UYosefu wathi kubo ngomhla wesithathu, Yenzani oku, niphile; kuba ndiyamoyika uThixo.

19Ukuba ninyanisile, omnye umzalwana kuni apha makakhonkxwe endlwini yokugcinwa kwenu, nihambe nina, niyise ingqolowa ngenxa yendlala yezindlu zenu.

20Umninawa wenu omncinane nimzise kum; okholeka ke amazwi enu, ningafi.

21Benjenjalo ke. Bathetha omnye komnye besithi, Inyaniso, sinetyala ngenxa yomninawa wethu, sabe sikubona nje ukubandezeleka komphefumlo wakhe, oko abetarhuzisa kuthi, asamphulaphula; kungenxa yoko le nto kusifikeleyo oku kubandezeleka.

22Wabaphendula uRubhen esithi, Ndabe ndingàtsho na kuni ukuthi, Musani ukumona umfana? Anaphulaphula; yabonani ke, igazi lakhe liyabizwa.

23Babengazi bona ukuba uYosefu uyeva, kuba kwakumi umkhumshi phakathi kwabo.

24Wathi guqugu, walila; wabuya weza kubo, wathetha nabo, wamthabatha uSimon kubo, wamkhonkxa bekhangele.

25Wawisa umthetho uYosefu wokuba zizaliswe iingxowa zabo ngengqolowa, imali yabo ibuyiselwe kulowo nalowo engxoweni yakhe, banikwe nomphako wendlela; kwenjiwa njalo ke kubo.

26Bawabopha ingqolowa amaesile abo, bemka ke apho.

27Uthe ke omnye akuyivula ingxowa yakhe, ukuba aphe iesile lakhe iindiza apho balalisa khona, wayibona imali yakhe, isemlonyeni wengxowa yakhe.

28Wathi kubazalwana bakhe, Ibuyisiwe imali yam; nantsi ikho nokubakho engxoweni yam. Baphela amandla, bakhangelana begubha, bathi, Yintoni na le ayenzileyo uThixo kuthi?

29Bafika kuYakobi uyise ezweni lakwaKanan, bamxelela yonke into ebahleleyo, besithi,

30Indoda, inkosi yelo zwe, yathetha nathi kalukhuni, yathi siziintlola zelo zwe.

31Sathi kuyo, Sinyanisile;

32asizizo iintlola, singabazalwana abalishumi elinababini, oonyana bakabawo; omnye akakho, omncinane ukubawo namhla, ezweni lakwaKanan.

33Indoda leyo, inkosi yelo zwe, yathi kuthi, Ndiya kwazi ngale ndawo ukuba ninyanisile: shiyani abe mnye umzalwana wenu kum apha, niphathele izindlu zenu ukudla ngenxa yendlala, nihambe;

34nimzise umninawa wenu omncinane kum, ndize ndazi ukuba ninyanisile, anizizo iintlola; ndímnikele kuni umzalwana wenu, nirhwebe ezweni apha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

35Kwathi, bakukhuphela iingxowa zabo, babona isiqhuma semali salowo nalowo engxoweni yakhe; bakuzibona iziqhuma zabo zemali boyika, bona noyise.

36Wathi kubo uYakobi uyise, Nindihluthe abantwana; uYosefu akakho, uSimon akakho, niza kuthabatha noBhenjamin; zikhwéle kum zonke ezo zinto.

37Wathi uRubhen kuyise, Babulale bobabini oonyana bam, ukuba andithanga ndimzise kuwe; mnikele esandleni sam, ndombuyisela kuwe mna.

38Wathi yena, Unyana wam akasayi kuhla nani; ngokuba ufile umkhuluwa wakhe, yena usele yedwa. Ukuba úthe wahlelwa yingozi endleleni eniyihambayo, izimvi zam nozithobela kwelabafileyo ndinesingqala.

IGenesis 43

Abantakwabo Yosefu baya okwesibini eYiputa

1Indlala yayinzima kwelo zwe.

2Kwathi, bakuba begqibile ukuyidla ingqolowa ababeze nayo bevela eYiputa, wathi uyise kubo, Buyani niye kusithengela intwana yokudla.

3Wathi uYuda kuye, Indoda leyo yaqononondisa kuthi, yathi, Aniyi kububona ubuso bam, engabangakho nani umninawa wenu.

4Ukuba ùthe wamthuma umninawa wethu nathi, sohla siye kukuthengela ukudla.

5Ukuba akuthanga umthume, asiyi kuhla; kuba indoda leyo yathi kuthi, Àniyi kububona ubuso bam, engabangakho nani umninawa wenu.

6USirayeli wathi, Yini na ukuba nindenzele ububi, niyixelele indoda leyo ukuthi, nisenomninawa?

7Bathi, Indoda leyo yabuza kunene ngathi nangemizalwana yethu, isithi, Usaphilile na uyihlo? Nisenomninawa na? Sayixelela ngokwaloo mazwi. Besisazi yini na ukuba ibiya kuthi, Yihlani nomninawa wenu?

8UYuda wathi kuSirayeli uyise, Mthume nam umfana, sisuke sihambe, siphile, singafi thina, nawe, nabantwana bethu.

9Mna ndiya kummela, wòmbiza esandleni sam; ukuba andithanga ndimzise kuwe, ndimbeke phambi kwakho, mandibe netyala kuwe yonke imihla yam.

10Kuba, ukuba besingazilazilanga, inene ngesiba ngoku sesibuye okwesibini.

11USirayeli uyise wathi kubo, Ukuba kunjalo okunene, yenzani ke oku: thabathani kwezinconywayo izinto zelizwe eli, nizifake ezingxoweni zenu, nihle niyisele indoda leyo umnikelo: intwana yamafutha aqholiweyo, nentwana yencindi yobusi, nentlaka emhlophe, nentlaka emnandi, neenkozo zepistasi, neeamangile.

12Phathani enye imali esandleni senu; naloo mali yabuyiswayo emlonyeni weengxowa zenu, buyani nayo esandleni senu; mhlawumbi sisiphosiso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Nomninawa wenu mthabatheni, ninduluke, nibuyele kwindoda leyo.

14Ngamana uThixo uSomandla waniphatha ngemfesane phambi kwendoda leyo, ukuba inikhululele omnye umzalwana wenu lowo noBhenjamin. Mna, ukuba ndihluthiwe abantwana, ndihluthiwe.

15Amadoda lawo awuthabatha loo mnikelo, neemali zombini aziphatha esandleni sawo, noBhenjamin, asuka ehla aya eYiputa, ema phambi koYosefu.

16UYosefu wambona uBhenjamin enabo, wathi kumphathi wendlu yakhe, Wangenise loo madoda endlwini, uxhele, ulungise; kuba la madoda aya kudla nam emini enkulu.

17Indoda leyo yenza njengoko watshoyo uYosefu; indoda yawangenisa amadoda endlwini kaYosefu.

18Amadoda oyika, ngokuba engeniswe endlwini kaYosefu, athi, Kungenxa yemali eyayibuyiselwe ezingxoweni zethu ekuqaleni, le nto singeniswe apha; ukuze agaleleke phezu kwethu, asiwele, asithabathe sibe ngamakhoboka, kwanamaesile ethu.

19Asondela kuloo ndoda iphethe indlu kaYosefu, athetha nayo emnyango wendlu, athi, Tarhu, nkosi!

20Sehla okunene ekuqaleni, sisiza kuthenga ukudla.

21Kwathi, sakufika endaweni yokulalisa, sazivula iingxowa zethu, kwavela imali yalowo nalowo emlonyeni wengxowa yakhe, imali yethu ngomlinganiso wayo.

22Sibuyé nayo ke siyiphethe. Nenye imali sihle seza nayo esandleni sethu, ukuba sithenge ukudla; asimazi oyifakileyo imali ezingxoweni zethu.

23Yathi, Xolani, musani ukoyika; uThixo wenu, uThixo kayihlo, uninikile ubutyebi ezingxoweni zenu; imali yenu ndayamkela.

24Yabakhuphela uSimon. Indoda leyo yawangenisa amadoda endlwini kaYosefu, yawanika amanzi, ahlamba iinyawo zawo; yawapha iindiza amaesile awo.

25Umnikelo lowo awulungisela ukufika kukaYosefu emini enkulu; kuba ebeve kusithiwa aya kudla isonka khona.

26Wangena uYosefu endlwini; amzisela endlwini umnikelo obusesandleni sawo, aqubuda kuye emhlabeni.

27Wawabuza ukuphila kwawo, wathi, Uyihlo usaphilile na, ixhego enanithethe ngalo? Usadla ubomi na?

28Athi, Usaphilile ubawo umkhonzi wakho, usadla ubomi. Bathoba baqubuda.

29Wawaphakamisa amehlo akhe, wambona uBhenjamin umninawa wakhe, umntwana kanina, wathi, Nguye na lo umninawa wenu omncinane, enibe nithetha ngaye kum? Wathi, Ngamana uThixo wakubabala, nyana wam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Wakhawuleza uYosefu; kuba wasikwa yimfesane ngenxa yomninawa wakhe, wafuna indawo angalilela kuyo, wangena engontsini, walila khona.

31Waza wahlamba ubuso bakhe, waphuma ezibambile, wathi, Bekani isonka.

32Bambekela yedwa, bababekela bodwa bona, bawabekela odwa amaYiputa abesidla naye; kuba amaYiputa akanakudla sonka namaHebhere; kuba lisikizi elo kumaYiputa.

33Bahlala phantsi phambi kwakhe, owamazibulo ngokobuzibulo bakhe, omncinane ngokobuncinane bakhe. Amadoda akhangelana ethe manga.

34Asèlwa izabelo ezisuka phambi kwakhe; ke isabelo sikaBhenjamin saba sikhulu kahlanu kwizabelo zabo bonke bephela. Basela, baba mnandi benaye.

IGenesis 44

UYosefu ulinga abantakwabo

1Wamwisela umthetho umphathi wendlu, esithi, Zizalise iingxowa zala madoda ngokudla, njengoko zinako ukukhongozela, uyibeke imali yalowo nalowo emlonyeni wengxowa yakhe;

2uyibeke indebe yam, indebe yesilivere, emlonyeni wengxowa yomncinane, nemali yengqolowa yakhe. Wenza ke ngokwelizwi likaYosefu abelithethile.

3Kwakuthi qhiphu ukusa, andululwa loo madoda, wona namaesile awo.

4Akubona ukuba aphumile emzini, engekayi kude, wathi uYosefu kumphathi wendlu yakhe, Suka, uwasukele laa madoda; wakuwafumana uze uthi kuwo, Yini na ukuba niphindezele okulungileyo ngokubi?

5Le nto asiyile na inkosi yam isela ngayo, ihlabe nezihlabo ngayo? Yinto embi le nto niyenzileyo.

6Wawafumana, wathetha kuwo loo mazwi.

7Athi kuye, Yini na ukuba inkosi yam ithethe ngokwaloo mazwi? Makube lee kubakhonzi bakho ukwenza ngokwelo lizwi.

8Ùyabona, imali esayifumanayo emlonyeni weengxowa zethu, sayibuyisela kuwe, sivela ezweni lakwaKanan. Singáthini na ke ukûba endlwini yenkosi yakho isilivere nokuba yigolide?

9Osukuba ifunyenwe kuye phakathi kwabakhonzi bakho, makafe; kananjalo thina síbe ngamakhoboka enkosini yam.

10Wathi, Makube njengokwamazwi enu; ke ngoko osukuba ifunyenwe kuye, woba sisicaka sam, ke nina noba msulwa.

11Bakhawuleza, bathula elowo ingxowa yakhe, bayibeka emhlabeni, bavula elowo ingxowa yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12Wagquthagqutha, eqalela komkhulu, egqibela komncinane; yafunyanwa indebe engxoweni kaBhenjamin.

13Bazikrazula iingubo zabo, babopha elowo iesile lakhe, babuyela kuloo mzi.

14Wafika uYuda nabazalwana bakhe endlwini kaYosefu; ubesekhona yena.

15Bawa phambi kwakhe emhlabeni. UYosefu wathi kubo, Sisenzo sini na esi nisenzileyo? Beningazi na ukuba indoda enjengam nje ibingahlaba izihlabo?

16UYuda wathi, Siya kuthini na enkosini yam? Siya kuthetha ntoni na? Siya kuzihlamba njani na? UThixo ubufumene ubugwenxa babakhonzi bakho; yabona, singabakhonzi benkosi yam, thina aba, nalowa indebe ifunyenwe esandleni sakhe.

17Wathi, Makube lee kum ukwenza loo nto; indoda efunyenwe esandleni sayo indebe, yiyo eya kuba sisicaka kum; ke nina nyukani nixolile, niye kuyihlo.

18UYuda wasondela kuye, wathi, Tarhu, nkosi yam! Makhe athethe ilizwi umkhonzi wakho ezindlebeni zenkosi yam; mawungavuthi umsindo wakho ngakumkhonzi wakho, ngokuba ungangoFaro wena.

19Yababuza inkosi yam abakhonzi bayo, isithi, Ninoyihlo na?

20Ninomninawa na? Sathi thina enkosini yam, Sinobawo ixhego, nomntwana wobuxhego bakhe omncinane; umkhuluwa wakhe wafa, yena usele yedwa kunina, uyise uyamthanda.

21Wathi ke wena kubakhonzi bakho, Yihlani naye eze kum, ndiwamise amehlo am kuye.

22Sathi thina kwinkosi yam, Umfana lowo akanako ukumshiya uyise; emshiyile, uyise angafa.

23Wathi wena kubakhonzi bakho, Ukuba umninawa wenu omncinane akathanga ehle nani, aniyi kubuya nibubone ubuso bam.

24Kwathi, xenikweni senyukayo saya kumkhonzi wakho ongubawo, samxelela amazwi enkosi yam.

25Wathi ubawo, Buyani niye kusithengela intwana yokudla.

26Sathi, Asinakuhla. Ukuba umninawa wethu omncinane unathi, sohla; kuba asinakububona ubuso bendoda leyo, engenathi umninawa wethu omncinane.

27Wathi ubawo umkhonzi wakho kuthi, Niyazi nina, ukuba umkam wandizalela oonyana ababini.

28Omnye waphuma kum, ndathi, Inene, uqwengiwe; andimbonanga unangoku.

29Nimthabatha nje naló ebusweni bam, ethe wahlelwa yingozi, nozihlisela izimvi zam zinobubi kwelabafileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

30Ngoko ke, ukuba ndithe ndafika kubawo umkhonzi wakho, engenathi umfana (umphefumlo wakhe ubotshwe nomphefumlo wakhe nje),

31kothi, akubona ukuba akakho umfana, afe, nabakhonzi bakho bahlise izimvi zomkhonzi wakho ubawo enesingqala, ziye kwelabafileyo.

32Kuba umkhonzi wakho lo wammela umfana lowo kubawo, ndisithi, Ukuba andithanga ndimzise kuwe, ndoba netyala kubawo yonke imihla yam.

33Ngoko makahlale umkhonzi wakho lo esikhundleni somfana, ndibe likhoboka enkosini yam mna; umfana anyuke nabakhuluwa bakhe.

34Kuba ndingáthini na ukunyuka ndiye kubawo, engenam umfana? hleze ndibubone ububi obomfumana ubawo.

IGenesis 45

UYosefu uyazazisa kubantakwabo

1UYosefu akabanga nakuzibamba phambi kwabo bonke ababemi ngakuye. Wadanduluka wathi, Khuphani bonke abantu, bemke kum. Akwabakho mntu umi ngakuyé ekuzaziseni kukaYosefu kubazalwana bakhe.

2Wasibeka isililo; eva amaYiputa, yeva nendlu kaFaro.

3Wathi uYosefu kubazalwana bakhe, NdinguYosefu; usaphilile na ubawo? Ababa nako ukumphendula abazalwana bakhe; kuba bakhwankqiswa phambi kwakhe.

4Wathi, uYosefu kubazalwana bakhe, Khanisondele kum apha. Basondela. Wathi, NdinguYosefu, umzalwana wenu, enathengisayo ngaye eYiputa.

5Ngoko musani ukuba buhlungu, ningaziqumbeli, ukuba nathengisa ngam apha; kuba uThixo wandithuma phambi kwenu ukuze ndisindise abantu.

6Kuba ngoku iminyaka mibini indlala ikho phakathi kwelizwe; isemihlanu iminyaka ezayo, ekungayi kubakho kulima nakuvuna ngayo.

7UThixo undithume phambi kwenu, ukuba ndinimisele amasalela ezweni, ukuba ndisindise ubomi benu, ibe kukusinda okukhulu.

8Ngoko ke àsinini abandithume apha, nguThixo; wandenza uyise kuFaro, nenkosi phezu kwayo yonke indlu yakhe, nomlawuli ezweni lonke laseYiputa.

9Khawulezani, ninyuke niye kubawo, nithi kuye, Útsho unyana wakho uYosefu ukuthi, UThixo undenzé inkosi kuyo yonke iYiputa; yihla uze kum, musa ukulibala.

10Wóhlala ezweni laseGoshen, ube kufuphi kum, wena, noonyana bakho, noonyana boonyana bakho, nempahla yakho emfutshane, neenkomo zakho, nezinto zonke onazo;

11ndikòndle khona, kuba isaya kuba mihlanu iminyaka yendlala; hleze uhlwempuzeke wena, nendlu yakho, nento yonke onayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Yabonani, amehlo enu ayabona, namehlo omninawa wam uBhenjamin, ukuba ngumlomo wam lo uthethayo kuni.

13Nize nimxelele ubawo lonke uzuko lwam eYiputa, nezinto zonke enizibonileyo, nikhawuleze nihle nobawo, eze apha.

14Wawa entanyeni kaBhenjamin, umninawa wakhe, walila; uBhenjamin walila entanyeni yakhe.

15Wabanga bonke abazalwana bakhe, walila phezu kwabo. Emveni koko, abazalwana bakhe bathetha naye.

UFaro umema uYakobi nosapho lwakhe, baze kuma eYiputa

16Lavakala izwi endlwini kaFaro, lisithi, Bafikile abazalwana bakaYosefu. Kwalunga oko emehlweni kaFaro, nasemehlweni abakhonzi bakhe.

17Wathi uFaro kuYosefu, Yithi kubazalwana bakho, Yenzani oku: bophani amaqegu enu, nihambe niye ezweni lakwaKanan,

18nithabathe uyihlo nezindlu zenu, nize kum apha. Ndoninika izinto ezilungileyo zelizwe laseYiputa, nidle ukutyeba kwelizwe.

19Wena ke ùwiselwe umthetho, yenzani oku; bathabatheleni abantwana benu, nabafazi benu, iinqwelo ezweni laseYiputa, nithwale uyihlo, nize.

20Iliso lenu malingabi nanceba empahleni yenu, kuba zonke izinto ezilungileyo zelizwe lonke laseYiputa zezenu.

21Benjenjalo ke oonyana bakaSirayeli. UYosefu wabanika iinqwelo ngokomthetho kaFaro; wabanika nomphako wendlela.

22Wabanika bonke elowo iingubo zokukhululana. Wamnika uBhenjamin iisilivere ezimakhulu mathathu, neengubo ezintlanu zokukhululana.

23Kuyise wathumela ezilolu hlobo: amaesile alishumi, ethwele izinto ezilungileyo zaseYiputa, neemazi zamaesile ezilishumi, zithwele ingqolowa, nesonka, nomphako kayise wendlela.

24Wabandulula ke abazalwana bakhe, bahamba; wathi kubo, Ize ningaxabani endleleni.

25Benyuka, bemka ke eYiputa, bafika ezweni lakwaKanan kuYakobi uyise.

26Bamxelela besithi, UYosefu usahleli; ewe, ungumphathi welizwe lonke laseYiputa. Yaqoba intliziyo yakhe, kuba ebengakholwa ngabo.

27Bawathetha kuye onke amazwi kaYosefu, abewathethile kubo. Wazibona iinqwelo abezithumele uYosefu, ukuba zimthwale; waza waphila umoya kaYakobi uyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Wathi uSirayeli, Kwanele. UYosefu unyana wam usahleli. Ndiya kuya ndimbone, ndingekafi.

IGenesis 46

UYakobi ufudukela eYiputa nosapho lwakhe

1Wanduluka ke uSirayeli neento zonke abenazo, wafika eBhershebha, wabingelela imibingelelo kuThixo kayise uIsake.

2Wathetha uThixo kuSirayeli emibonweni yobusuku, wathi, Yakobi, Yakobi! Wathi yena, Ndilapha.

3Wathi, NdinguThixo, uThixo wooyihlo, musa ukoyika ukuhla uye eYiputa; kuba ndiya kukwenza uhlanga olukhulu khona.

4Mna ndiya kuhla ndiye nawe eYiputa, ndinyuke nokunyuka nawe; uYosefu asibeke isandla sakhe phezu kwamehlo akho.

5Wesuka uYakobi eBher-shebha; oonyana bakaSirayeli bamthwala uYakobi uyise, nabantwana babo, nabafazi babo, ngeenqwelo ebezithunyelwe nguFaro ukuba zimthwale.

6Bayithabatha imfuyo yabo, nengqwebo yabo ababeyiqwebile ezweni lakwaKanan, bafika eYiputa uYakobi nembewu yakhe yonke, ndawonye naye;

7oonyana bakhe, noonyana boonyana bakhe ndawonye naye, iintombi zakhe, neentombi zoonyana bakhe, nembewu yakhe yonke, weza nayo eYiputa.

8Ngawo la amagama oonyana bakaSirayeli abafikáyo eYiputa, uYakobi noonyana bakhe: amazibulo kaYakobi nguRubhen.

9Oonyana bakaRubhen nguHanoki, noFalu, noHetseron, noKarmi.

10Oonyana bakaSimon, nguYemuweli, noYamin, no-Ohadi, noYakin, noTsohare, noSawule, unyana womKananekazi.

11Oonyana bakaLevi nguGershon, noKehati, noMerari.

12Oonyana bakaYuda nguEre, no-Onan, noShela, noPeretse, noZera; ke ooEre no-Onan bafela ezweni lakwaKanan. Oonyana bakaPeretse nguHetseron noHamuli.

13Oonyana bakaIsakare nguTola, noPuwa, noYobhi, noShimron.

14Oonyana bakaZebhulon nguZerede, noEloni, noYaleli.

15Ngabo abo oonyana bakaLeya, awabazalela uYakobi ePadan-aram, noDina intombi yakhe; yonke imiphefumlo yoonyana bakhe neyeentombi zakhe ingamashumi omathathu anamithathu.

16Oonyana bakaGadi nguTsifiyon, noHagi, noShuni, noEtsebhon, noEri, noArodi, noAreli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Oonyana baka-Ashere nguImna, noIshwa, noIshvi, noBheriya, noSera udade wabo; oonyana bakaBheriya nguEbhere noMalekiyeli.

18Ngabo abo oonyana bakaZilipa, awathi uLabhan wamnika uLeya intombi yakhe; abo wabazalela uYakobi, imiphefumlo elishumi elinamithandathu.

19Oonyana bakaRakeli, umkaYakobi, nguYosefu noBhenjamin.

20Wazala ke uYosefu ezweni laseYiputa, uManase noEfrayim, awamzalela bona uAzenati, intombi kaPotifera, umbingeleli waseOn.

21Oonyana bakaBhenjamin nguBhela, noBhekere, noAshbhele, noGera, noNahaman, noEhi, noRoshe, noMupim, noHupim, noArdi.

22Ngabo abo oonyana bakaRakeli, abazalelwa uYakobi; iyonke yimiphefumlo elishumi elinaminé.

23Oonyana bakaDan nguHushim.

24Oonyana bakaNafetali nguYatseli, noGuni, noYetsere, noShilem.

25Ngabo abo oonyana bakaBhiliha, awathi uLabhan wamnika uRakeli intombi yakhe; abo wabazalela uYakobi, iyonke yimiphefumlo esixhenxe.

26Iyoke imiphefumlo eyaya noYakobi eYiputa, eyaphuma esinqeni sakhe, ngaphandle kwabafazi boonyana bakaYakobi, iyonke yimiphefumlo emashumi mathandathu anamithandathu.

27Oonyana bakaYosefu awabazalelwa eYiputa yimiphefumlo emibini. Iyonke imiphefumlo yendlu kaYakobi eyaya eYiputa ibimashumi asixhenxe.

28Wasusa uYuda ukuba amandulele aye kuYosefu, ambonise indlela eya eGoshen; bafika ke ezweni laseGoshen.

29UYosefu wayibopha inqwelo yakhe, wenyuka waya kumkhawulela uSirayeli uyise eGoshen. Bathe bakubonana, wawa entanyeni yakhe, walila umzuzu omkhulu entanyeni yakhe.

30Wathi uSirayeli kuYosefu, Ndibubonile nje ubuso bakho, ukuba ùsahleli, mandife ngoku.

31Wathi uYosefu kubazalwana bakhe nakwindlu kayise, Ndiya kunyuka ndiye kubika kuFaro, ndithi kuye, Abazalwana bam nendlu kabawo, ababesezweni lakwaKanan, bafikile;

32kunjalo nje la madoda ngabalusi bempahla emfutshane, kuba ngabafuyi; impahla yawo emfutshane, neenkomo zawo, neento zonke ananzo, azé nazo.

33Xa athe wanibiza uFaro, wathi, Uyintoni na umsebenzi wenu?

© 1975 Bible Society of South Africa.

34nòthi, Abakhonzi bakho ngabafuyi bempahla kwasebuncinaneni bethu unangoku, thina aba noobawo bethu; ukuze nime ezweni laseGoshen, kuba bonke abalusi bempahla emfutshane balisikizi kumaYiputa.

IGenesis 47

UYosefu wazisa abantu bakowabo kuFaro

1UYosefu waya kumbikela uFaro, wathi, Ufikile ubawo nabazalwana bam, nempahla yabo emfutshane, neenkomo zabo, neento zonke abanazo, bevela ezweni lakwaKanan; nabo besezweni laseGoshen.

2Wakhetha kubo abazalwana bakhe amadoda amahlanu, wawamisa phambi koFaro.

3Wathi uFaro kubazalwana bakhe, Uyintoni na umsebenzi wenu? Bathi kuFaro, Abakhonzi bakho ngabafuyi bempahla emfutshane, thina aba kwanoobawo bethu.

4Babuya bathi kuFaro, Siphambukele kweli lizwe, kuba akukho tyani bampahla imfutshane abanayo abakhonzi bakho, kuba inzima indlala ezweni lakwaKanan; ngoko ke mabakhe bahlale ezweni laseGoshen abakhonzi bakho.

5Wathetha uFaro kuYosefu, wathi, Uyihlo nabazalwana bakho bafikile kuwe.

6Ilizwe laseYiputa liphambi kwakho: uyihlo nabazalwana bakho bahlalise kweyona ndawo intle yelizwe; mabahlale ezweni laseGoshen. Ukuba ùyazi ukuba kukho kuwo amadoda aziinkunkqele emsebenzini, wamise abe ngabaphathi bemfuyo endinayo.

7UYosefu wamngenisa uYakobi uyise, wammisa phambi koFaro. UYakobi wamsikelela uFaro.

8UFaro wathi kuYakobi, Mingaphi na iminyaka yobudala bakho?

9Wathi uYakobi kuFaro, Imihla yeminyaka yokuba lundwendwe kwam emhlabeni yiminyaka elikhulu elinamanci mathathu; imbalwa, imibi, imihla yeminyaka yobudala bam; ayifikanga emihleni yeminyaka yobudala boobawo, emihleni yokuba lundwendwe kwabo emhlabeni.

10UYakobi wamsikelela ke uFaro; waphuma, wemka ebusweni bukaFaro.

11UYosefu wambeka uyise nabazalwana bakhe ezweni laseYiputa, wabanika indawo yokuma kweyona ndawo intle yelizwe, ezweni laseRameses, ngokomthetho kaFaro.

12UYosefu wamondla uyise, nabazalwana bakhe, nendlu yonke kayise, ngesonka, ngangokuswela kosapho lwabo.

UYosefu wongamela iYiputa

13Bekungekho kudla kulo lonke ilizwe; kuba ibinzima kunene indlala; ilizwe laseYiputa nelizwe lakwaKanan laphelelwa ngamandla ngenxa yendlala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Wayihlanganisa uYosefu yonke imali eyafunyanwayo ezweni laseYiputa nasezweni lakwaKanan, yengqolowa ababeyithenga; wayingenisa uYosefu imali endlwini kaFaro.

15Yaphela imali ezweni laseYiputa nasezweni lakwaKanan. Onke amaYiputa eza kuYosefu, esithi, Sinike ukudla. Yini na ukuba sife phambi kwakho, kuba imali iphelile.

16Wathi uYosefu, Rholani imfuyo yenu; ndoninika ngemfuyo yenu, ukuba imali iphelile.

17Ayizisa imfuyo yawo kuYosefu; uYosefu wawanika ukudla ngamahashe, nangemfuyo eyimpahla emfutshane, nangemfuyo eziinkomo, nangamaesile; wawapha ukudla endaweni yayo yonke imfuyo yawo ngaloo mnyaka.

18Waphela ke loo mnyaka. Eza kuye ngomnyaka wesibini, athi kuye, Asinakukufihla enkosini yam, ukuba imali nemfuyo eziinkomo iphelele enkosini yam; akusalanga nto kuthi phambi kwenkosi yam, yimizimba yethu nemihlaba yethu yodwa kuphela.

19Yini na ukuba sife phambi kwakho, thina aba nomhlaba wethu. Síthenge thina nomhlaba wethu ngokudla, ukuze thina nomhlaba wethu sibe ngabakhonzi bakaFaro. Sínike imbewu, ukuze siphile, singafi, kube senkangala.

20UYosefu wawuthengela uFaro wonke umhlaba waseYiputa; kuba amaYiputa athengisa elowo ngentsimi yakhe, kuba indlala yabe inzima phezu kwawo; umhlaba ke waba ngokaFaro.

21Abantu wabafudusela emizini, kwathabathela ekupheleni komnye umda waseYiputa kwesa ekupheleni komnye.

22Ngumhlaba wababingeleli wodwa angawuthenganga; kuba ababingeleli babenesabelo abasimiselweyo esivela kuFaro, besidla isabelo eso simiselweyo, babesinikwe nguFaro; ngenxa yoko bona abathengisanga ngomhlaba wabo.

23Wathi uYosefu ebantwini, Yabonani, namhla nina nomhlaba wenu ndinithengele uFaro; nantsi ke imbewu yenu, hlwayelani umhlaba.

24Nòthi kwinto eniyizuzileyo, nimnike uFaro esesihlanu isahlulo, eziné izahlulo zibe zezenu, zibe yimbewu yentsimi, nezokudliwa nini nangabasezindlwini zenu, nezokudliwa lusapho lwenu.

25Bathi, Ùsisindisile; mayisibabale inkosi yam, soba ngabakhonzi kuFaro.

26UYosefu wayimisa loo nto yaba ngummiselo unanamhla phezu komhlaba waseYiputa, ukuba esesihlanu isahlulo sibe sesikaFaro; ngumhlaba wababingeleli wodwa ongabanga ngokaFaro.

27Wahlala uSirayeli ezweni laseYiputa, ezweni laseGoshen; baqiniseka ukuma khona, baqhama, banda kunene.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28UYakobi wadla ubomi ezweni laseYiputa iminyaka elishumi elinesixhenxe; imihla kaYakobi, iminyaka yobudala bakhe, yaba yiminyaka elikhulu elinamanci amané, aneminyaka esixhenxe.

29Yasondela imihla kaSirayeli yokuba afe; wabiza unyana wakhe uYosefu, wathi kuye, Ukuba kaloku ndibabalwe nguwe, khawubeke isandla sakho phantsi kwethangá lam, undenzele inceba nenyaniso. Uze ungakhe undingcwabe eYiputa.

30Ke ndiya kulala koobawo; uze undisuse eYiputa, undingcwabe engcwabeni labo. Wathi ke yena, Ndiya kwenza ngokwelizwi lakho.

31Wathi, Funga; wafunga ke. Waqubuda uSirayeli phezu kwentloko yesingqengqelo.

IGenesis 48

UYakobi usikelela oonyana bakaYosefu, uManase noEfrayim

1Kwathi emveni kwezi zinto, kwathiwa kuYosefu, Ùyabona, uyihlo uyafa. Wathabatha oonyana bakhe bobabini, uManase noEfrayim, bahamba naye.

2Waxelelwa uYakobi kwathiwa, Nanku unyana wakho uYosefu esiza kuwe. Wazomeleza uSirayeli, wavuka, wahlala esingqengqelweni.

3UYakobi wathi kuYosefu, UThixo uSomandla wabonakala kum ndiseLuzi, ezweni lakwaKanan, wandisikelela.

4Wathi kum, Yabona, ndiya kukuqhamisa, ndikwandise, ndikwenze isikhungu sezizwe; eli lizwe ndilìnike imbewu yakho emva kwakho, libe lelakho ngonaphakade.

5Ngako oko oonyana bakho ababini, owabazalelwayo ezweni laseYiputa, ndingekafiki kuwe eYiputa, ngabam; uEfrayim noManase baya kuba ngabam, njengoRubhen noSimon.

6Ke othe wabazala emva kwabo, baya kuba ngabakho; baya kubizwa ngokwegama labazalwana babo elifeni labo.

7Ekumkeni kwam mna ePadan, ndafelwa nguRakeli ezweni lakwaKanan endleleni, ndakubona ukuba ndimganyana ukuze kufikwe e-Efrata; ndamngcwabela khona endleleni yase-Efrata eyiBhetelehem.

8USirayeli wababona oonyana bakaYosefu, wathi, Ngoobani na aba?

9Wathi uYosefu kuyise, Ngoonyana bam endibaphiwe nguThixo apha. Wathi yena, Khawubasondeze kum, ndibasikelele.

10Ke amehlo kaSirayeli ayeselenorhatyazo kukwaluphala, engasaboni. Wabasondeza ke kuye, wabanga, wabawola.

11USirayeli wathi kuYosefu, Ukubona ubuso bakho bendingasakucingi; nanku uThixo endibonise nembewu yakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12UYosefu wabakhupha phakathi kwamadolo akhe, waqubuda ngobuso bakhe emhlabeni.

13UYosefu wabathabatha bobabini, uEfrayim ngesokunene kwesasekhohlo sikaSirayeli, noManase ngesokhohlo kwesokunene sikaSirayeli, wabasondeza kuye.

14USirayeli wasolula esokunene sakhe, wasibeka entloko kuEfrayim engomncinane, nesokhohlo sakhe entloko kuManase, ezenjenjalo izandla zakhe ngengqiqo; ngokuba uManase ebengowamazibulo.

15Wamsikelela uYosefu, wathi, Ngamana uThixo, abâhamba phambi kwakhe oobawo uAbraham noIsake, owandondla kwasekuveleni kwam kwada kwanamhla, osisithunywa esindikhululeyo ebubini bonke,

16angabasikelela abafana, lithi igama lam negama loobawo libizwe phezu kwabo, uAbraham noIsake, bande, babe baninzi ehlabathini.

17Wabona uYosefu ukuba uyise usibeke isandla sakhe sokunene entloko kuEfrayim, kwakubi emehlweni akhe; wasibamba isandla sikayise wasishenxisa entlokweni kaEfrayim, esisa entlokweni kaManase.

18Wathi uYosefu kuyise, Makungabi njalo, bawo, kuba nguló owamazibulo; beka esokunene entlokweni yakhe.

19Àkavuma uyise, wathi, Ndiyazi, nyana wam, ndiyazi; naye uya kuba sisizwe, naye uya kuba mkhulu; kodwa umninawa wakhe uya kuba mkhulu kuye, nembewu yakhe ibe ziintlanga ezininzi.

20Wabasikelela ngaloo mini, esithi, Ngawe ùya kusikelela uSirayeli, esithi, Ngamana uThixo wakwenza njengoEfrayim nanjengoManase. Wambeka ke uEfrayim phambi koManase.

21USirayeli wathi kuYosefu, Yabona, ndiza kufa; uThixo uya kuba nani, anibuyisele ezweni looyihlo.

22Mna ndikuniké isiqwenga somhlaba ngaphezu kwabazalwana bakho, eso ndasithimbayo esandleni sama-Amori, ngekrele lam nangesaphetha sam.

IGenesis 49

UYakobi usikelela oonyana bakhe abalishumi elinababini

1Wababiza ke uYakobi oonyana bakhe, wathi, Zihlanganiseni ndinixelele okuya kunihlela ngemihla yokugqibela.

2Qukanani, niphulaphule, nyana bakaYakobi, Niphulaphule uSirayeli uyihlo.

3Rubhen, wena mazibulo am, mandla am, ngqalo yokuqina kwam, Ncamisa yokuphakama, ncamisa yegunya,

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Uxhaphazelayo njengamanzi, akusayi kuba ncamisa kunje; Kuba wenyukayo waya esililini sikayihlo, Wangcolisa oko, wenyuka waya emandlalweni wam.

5USimon noLevi ngabazalwana; Ziintonga zokugonyamela izikhali zabo.

6Egquguleni labo úze ungangeni umphefumlo wam, Nesikhungu sabo lungazibandakanyi uzuko lwam; Kuba ngomsindo wabo babulala amadoda, Ngokuzithandela kwabo bazinqumla imisipha iinkomo.

7Uqalekisiwe umsindo wabo, ngokuba unobungcwangu: Ukuphuphuma kwabo umsindo, ngokuba unzima. Ndiya kubachithachitha kwaYakobi, Ndibaphangalalise kwaSirayeli.

8Yuda, abazalwana bakho baya kukudumisa, Isandla sakho sibe sentanyeni yeentshaba zakho; Baya kuqubuda kuwe oonyana bakayihlo.

9Lithole lengonyama uYuda; Ùsuké ekuqwengeni, nyana wam, Waguqa, wabuthuma njengengonyama, Njengengonyamakazi; ngubani na oya kumvusa?

10Intonga ayayi kumka kuYuda, Intonga yommisi-mthetho ayayi kumka phakathi kweenyawo zakhe, Ade afike uShilo, Zimlulamele izizwe.

11NguKhuleka emdiliyeni imazi yakhe ye-esile, UKhuleka kowohlobo inkonyana yakhe ye-esile; UHlamba ngewayini isambatho sakhe, Ngegazi lediliya ingubo yakhe;

12UMehlo abomvu yiwayini, UMazinyo amhlophe ngamasi.

13UZebhulon uya kuma ngasezibukweni lolwandle,

14Ewe, ngasezibukweni leenqanawa, Icala lakhe lisingise eTsidon. UIsakare yinyathi ye-esile, Ulala phakathi kweentlanti.

15Wakúbona ukuphumla ukuba kulungile, Nelizwe ukuba limnandi; Igxalaba lakhe walithobela ukuthwala, Waba ngumsébenzi ofakwa uviko.

16UDan uya kugweba phakathi kwabantu bakowabo, Njengezinye izizwe zakwaSirayeli.

17UDan makabe yinyoka ngasendleleni, Irhamba ngasemendweni, Eliluma izithende zehashe, Awe ngomva olikhweleyo.

18Usindiso lwakho, Yehova, ndiluthembile.

19UGadi ungenelwa ngamatutu, Ke yena uwangenela ezithendeni

20KuAshere kuphuma amafutha, isonka sakhe eso; Yena unika izinto eziyolisa ookumkani.

21UNafetali yimazi yexhama ekhululweyo, Ukhupha amazwi amahle.

22NguGatya lomthi oqhamayo uYosefu, UGatya lomthi oqhamayo ngasemthonjeni, Omasebe aqabele eludongeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23UBamcubunga bamtola, Bamchasa abatoli;

24USihlala sithe nkqi isaphetha sakhe, UMikhono yezandla zakhe inokusityeda, Ngezandla zembalasane kaYakobi, Khona apho akhoyo umalusi, ilitye likaSirayeli;

25NgoThixo wooyihlo — akuncede, NgoSomandla — akusikelele, Ibe ziintsikelelo zamazulu ezivela phezulu, Iintsikelelo zamanzi enzonzobila alele ezantsi, Iintsikelelo zamabele, nezesizalo.

26Iintsikelelo zikayihlo Zizigqithile iintsikelelo zomawokhulu, Zasa nasemdeni weentaba zanini; Mazibe sentloko kuYosefu, Ebuchotsheni bobalulweyo kubazalwana bakhe!

27UBhenjamin yingcuka eqwengayo; Kusasa úya kudla okuphangiweyo, Ngokuhlwa úya kwaba okuthinjiweyo.

28Bonke aba zizizwe zakwaSirayeli ezilishumi elinazibini; yiyo leyo into awayithethayo kubo uyise, wabasikelela; elowo ngokwentsikelelo yakhe wabasikelela.

29Wabawisela umthetho, wathi kubo, Ndiza kuhlanganiselwa kwabakowethu; ndingcwabeni noobawo emqolombeni osentsimini kaEfron umHiti,

30emqolombeni osentsimini yaseMakapela, ophambi kowakwaMamre, ezweni lakwaKanan, awawuthengayo uAbraham ndawonye nentsimi kuEfron umHiti, ukuba abe nendawo eyiyeyakhe yokungcwaba.

31Bamngcwaba khona apho uAbraham noSara umkakhe; bamngcwaba khona apho uIsake noRebheka umkakhe; ndamngcwaba khona apho uLeya.

32Yathengwa intsimi leyo nomqolomba okuyo koonyana bakaHeti.

33Wagqiba ke uYakobi ukuyolela oonyana bakhe, wazifinyezela esingqengqelweni iinyawo zakhe, waphuma umphefumlo, wahlanganiselwa kwabakowabo.

IGenesis 50

Ukungcwatywa kukaYakobi nokufa kukaYosefu

1Wawa uYosefu phezu kobuso bukayise, walila phezu kwakhe, wamanga.

2UYosefu wabawisela umthetho abakhonzi bakhe, amagqirha, ukuba amqhole uyise; amagqirha amqhola ke uSirayeli.

3Bamzalisela imihla emashumi mané, kuba bebesenjenjalo ukuyizalisa imihla yabaqholiweyo; amaYiputa amlilela imihla emashumi asixhenxe.

4Yadlula ke imihla yokulilelwa kwakhe, uYosefu wathetha kwindlu kaFaro, wathi, Ukuba kaloku niyandibabala, khanithethe ezindlebeni zikaFaro, nithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ubawo wandifungisa esithi, Yabona, ndiza kufa; engcwabeni lam endizimbeleyo ezweni lakwaKanan, wòndingcwabela khona apho. Ngoko makhe ndinyuke ndiye kumngcwaba ubawo; ndobuya ndibuye.

6Wathi uFaro, Nyuka uye kumngcwaba uyihlo ngoko akufungise ngako.

7Wenyuka ke uYosefu waya kumngcwaba uyise; benyuka naye bonke abakhonzi bakaFaro, amadoda amakhulu endlu yakhe, amadoda amakhulu onke ezwe laseYiputa;

8nendlu kaYosefu yonke, nabazalwana bakhe, nendlu kayise. Kwasala iintsapho zabo zodwa, nempahla yabo emfutshane, neenkomo zabo, ezweni laseGoshen.

9Kwenyuka naye iinqwelo, nabamahashe, yaba ngumkhosi omkhulu kunene.

10Bafika esandéni sika-Atadi esiphesheya kweYordan, bambambazela izifuba, batsho khona ngesililo esikhulu, esinzima kunene; bamenzela uyise isijwili imihla esixhenxe.

11Basibona abemi belo zwe, amaKanan, isijwili esandéni sika-Atadi, bathi, Sikhulu esi sijwili kumaYiputa; ngenxa yoko kwathiwa igama laso yiAbhele-mitserayim, ephesheya kweYordan.

12Oonyana bakhe benza ke kuye njengokuyolela kwakhe.

13Bamthwala oonyana bakhe, bamsa ezweni lakwaKanan, bamngcwaba emqolombeni wentsimi yaseMakapela, awawuthengayo uAbraham ndawonye nentsimi, ukuba ube yindawo eyiyeyakhe yokungcwaba, kuEfron umHiti phambi kowakwaMamre.

14UYosefu wabuyela eYiputa ke, yena nabazalwana bakhe, nabo bonke abenyuka naye beya kumngcwaba uyise, emva kokungcwaba kwakhe uyise.

15Ke kaloku abakhuluwa bakaYosefu babona ukuba uyise wabo ufile, bathi, Azi uYosefu uya kusitshutshisa na, abubuyisele kanye na kuthi bonke ububi esimenzele bona?

16Bathumela kuYosefu, besithi, Uyihlo wayolela phambi kokufa kwakhe, wathi,

17Nòtsho kuYosefu ukuthi, Khawuluxolele ukreqo lwabakhuluwa bakho, nesono sabo sokuba bekwenze into embi; ngoko khawuluxolele ukreqo lwabakhozi boThixo wooyihlo. Walila uYosefu ekuthetheni kwabo kuye.

18Baya nabakhuluwa bakhe, baziphosa phantsi phambi kwakhe, bathi, Yabona, singabakhonzi bakho.

19Wathi uYosefu kubo, Musani ukoyika; ndisesikhundleni sikaThixo yini na?

20Nina nacinga ububi ngam; ke yena uThixo wacinga okulungileyo, ukuze kuthi, njengoko kwenzekileyo namhla, kusinde abantu abaninzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ngoko musani ukoyika; ndonondla nina, nentsapho yenu. Wabathuthuzela ke, wathetha kakuhle nabo.

22UYosefu wena eYiputa, yena nendlu kayise. UYosefu wahlala iminyaka elikhulu elinashumi-nye.

23UYosefu wabona oonyana besesithathu isizukulwana sikaEfrayim, kwanoonyana bakaMakire, unyana kaManase, ababezalelwe emadolweni kaYosefu.

24Wathi uYosefu kubakhuluwa bakhe, Ndiza kufa; uThixo okunene uya kunivelela, aninyuse, niphume kweli lizwe, niye ezweni abelifungele uAbraham, noIsake, noYakobi.

25UYosefu wabafungisa oonyana bakaSirayeli, esithi, UThixo okunene eya kunivelela nje, nòwanyusa amathambo am, emke apha.

26Wafa ke uYosefu engominyaka ilikhulu linashumi-nye; bamqhola; wafakwa etyeyeni eYiputa. –

© 1975 Bible Society of South Africa.

IEksodus

IEksodus 1

Ukucinezelwa kwamaSirayeli eYiputa

1Ngawo la ke amagama oonyana bakaSirayeli, ababefike eYiputa noYakobi;

2beza elowo nendlu yakhe: uRubhen, uSimon, uLevi noYuda;

3uIsakare, uZebhulon noBhenjamin;

4uDan noNafetali, uGadi noAshere.

5Iyonke imiphefumlo eyaphumayo esinqeni sikaYakobi yayiyimiphefumlo emashumi asixhenxe; uYosefu yena ubeseleseYiputa.

6Wafa ke uYosefu nabazalwana bakhe bonke, neso sizukulwana sonke.

7Oonyana bakaSirayeli baqhama, banyakazela, banda, baba namandla kakhulu kunene; lazala ilizwe ngabo.

8Kwavela ukumkani omtsha phezu kweYiputa, owayengamazi uYosefu.

9Wathi ebantwini bakhe, Yabonani, abantu oonyana bakaSirayeli baninzi, banamandla kunathi.

10Yizani sibalumkise, hleze bande; bathi, xenikweni kuthe kwehla imfazwe, bathelele nabo kwiintshaba zethu, balwe nathi, banyuke baphume ezweni.

11Bamisa ke phezu kwabo abathetheli bokubafaka uviko, ukuze babacinezele ngemithwalo yabo. Bamakhela ke uFaro imizi enoovimba, iPitom neRameses.

12Okukhona babacinezeláyo, kokukhona bandayo, kokukhona baphangalaláyo; bakruquka ngabo oonyana bakaSirayeli.

13AmaYiputa ke abakhonzisa oonyana bakaSirayeli ngokutyumzayo;

14abenza bakrakra ubomi babo ngomsebenzi olukhuni, ngodaka nangezitena, nangeentlobo zonke zomsebenzi wasendle; yonke imisebenzi abasetyenziswa yona yayiyetyumzayo.

15Ke kaloku ukumkani waseYiputa wathetha kubazalisikazi abangamaHebherekazi, igama lomnye linguShifra, igama lomnye linguPuwa;

16wathi, Ekuzaliseni kwenu amaHebherekazi, khangelani xa azalayo: ukuba ithe yayinkwenkwe, noyibulala; ukuba ithe yayintombi, yodla ubomi.

17Abazalisikazi bôyika uThixo, àbenza ngoko wathetha ngako kubo ukumkani waseYiputa, bawasindisa amakhwenkwe.

18Wababiza ukumkani waseYiputa abazalisikazi, wathi kubo, Kungani na ukuba nenze le nto yokuwasindisa amakhwenkwe?

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

19Bathi abazalisikazi kuFaro, AmaHebherekazi àkanjengabafazi bamaYiputa, kuba omelele; azala engekangeni kuwo umzalisikazi.

20Ngoko uThixo wabenzela okulungileyo abazalisikazi. Banda abantu, banamandla kakhulu.

21Kwathi, kuba abazalisikazi babemoyika uThixo, wazisikelela izindlu zabo.

22UFaro wabawisela umthetho abantu bakhe bonke, wathi, Bonke oonyana abathe bazalwa, baphoseni emlanjeni; ke zonke iintombi zisindiseni.

IEksodus 2

Ukuzalwa kukaMoses nobutsha bakhe

1Kwaphuma umfo wendlu kaLevi, wazeka intombi yakwaLevi.

2Wamitha umfazi lowo, wazala unyana; wambona ukuba mhle, wamfihla iinyanga ezintathu.

3Wathi, akuba engasenako ukumfihla, wamthabathela umkhombe wemikhanzi, wawutyabeka ngebhitumene netywina, wamfaka kuwo umntwana, wawubeka engcotyeni, elunxwemeni lomlambo.

4Udade wabo wema mgama, ukuze ayazi into eya kwenzeka kuye.

5Yehla ke intombi kaFaro, isiya kuqubha emlanjeni; baye abakhonzazana bayo behamba ngasecaleni lomlambo. Yabona umkhombe engcotyeni phakathi, yathuma umkhonzazana wayo, ukuba aye kuwuthabatha.

6Yawunqika, yambona umntwana; nantso inkwenkwana ilila. Yaba nofefe ngayo, yathi, Ngumntwana wamaHebhere lo.

7Wathi udade wabo kwintombi kaFaro, Ndíye kukubizela na umfazi wamaHebhere onokwanyisa, akwanyisele umntwana?

8Yathi intombi kaFaro kuye, Yiya. Yaya ke intombi leyo, yabiza unina womntwana.

9Yathi intombi kaFaro kuye, Thabatha lo mntwana, umanyise; ndokunika umvuzo wakho mna. Umfazi lowo wamthabatha umntwana, wamanyisa.

10Wakhula umntwana, wamsa ke kwintombi kaFaro, waba ngunyana wayo. Yamthiya igama elinguMoses, yathi, Ndamrhola emanzini.

11Kwathi ke ngaloo mihla, akukhula uMoses, waphuma waya kubazalwana bakhe, ekhangela imithwalo yabo. Wabona umYiputa ebetha umHebhere wakubazalwana bakhe.

12Wabhekabheka, wathi akuba engaboni mntu, wamthi qwaka umYiputa, wamselela entlabathini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Waphuma ngemini yesibini; wabona amaHebhere emabini entlalana; wathi kowoné omnye, Yini na ukuba umbethe ummelwane wakho?

14Wathi yena, Ùmiswe ngubani na ukuba ube ngumthetheli nomgwebi phezu kwethu? Uza kundibulala na nam, usitsho nje, njengokuba umbulele umYiputa? Woyika uMoses, wathi, Mayibe le nto iyaziwa.

15UFaro wayiva le nto, wafuna ukumbulala uMoses. Wabaleka uMoses, wemka kwaFaro, waya kuma ezweni lakwaMidiyan, wahlala phantsi ngasequleni.

16Ke kaloku umbingeleli wakwaMidiyan wayeneentombi ezisixhenxe; zeza kukha amanzi, zayizalisa imikhumbi ukuba ziseze impahla emfutshane kayise.

17Bafika abalusi, bazigxotha. Wesuka uMoses wazinceda, wayiseza impahla yazo emfutshane.

18Zakufika kuRehuweli uyise, wathi, Nitheni na namhlanje ukuhle nifike?

19Zathi, Sihlangulwe ngumYiputa esandleni sabalusi; kunjalo wasikhelela amanzi, wayiseza impahla emfutshane.

20Wathi ezintombini zakhe, Uphi na? Nimshiyeleni na umntu lowo? Mbizeni, adle isonka.

21Wakholwa uMoses kukuhlala naloo ndoda. Yamnika uMoses uTsipora, intombi yayo.

22Yazala unyana, wamthiya igama elinguGershom, kuba ubesithi, Ndingumphambukeli ezweni lolunye uhlanga.

23Kwathi emva kwaloo mihla mininzi wafa ukumkani waseYiputa. Bancwina oonyana bakaSirayeli ngenxa yomsebenzi, bakhala; kwenyuka ukuzibika kwabo, kwaya kuThixo, ngenxa yomsebenzi.

24Wakuva uThixo ukugula kwabo, wawukhumbula uThixo umnqophiso wakhe noAbraham, noIsake, noYakobi.

25UThixo wababona oonyana bakaSirayeli, wabazi uThixo.

IEksodus 3

Ubizo lukaMoses lokuhlangula amaSirayeli

1Ke kaloku uMoses wayesalusa impahla emfutshane kaYitro, uyise womkakhe, umbingeleli wakwaMidiyan, wayiqhubela ele kwentlango, wafika entabeni kaThixo eHorebhe.

2Kwabonakala isithunywa sikaYehova kuye, siselangatyeni lomlilo, etyholweni phakathi, wakhangela, wabona ityholo lisitsha ngumlilo, noko lingàde litshe liphele.

3Wathi uMoses, Makhe ndityeke, ndiye kubona lo mbono mkhulu; ukuba kutheni na ukuba ityholo lingatshi liphele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wabona uYehova, ukuba utyekile esiza kubona; uThixo wabiza esetyholweni phakathi, wathi kuye, Moses, Moses. Wathi yena, Ndilapha.

5Wathi, Musa ukusondela apha. Khulula iimbadada zakho ezo ezinyaweni zakho, kuba loo ndawo umi kuyo ingumhlaba ongcwele.

6Wathi, NdinguThixo kayihlo, uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi. Wabusithelisa uMoses ubuso bakhe, kuba ebesoyika ukukhangela kuThixo.

7Wathi uYehova, Ndizibonile okunene iintsizi zabantu bam abaseYiputa, nokukhala kwabo ndikuvile, ngenxa yabo babaqhuba kalukhuni; kuba ndiyawazi umvandedwa wabo.

8Ndihlile ke; ndizé kubahlangula esandleni samaYiputa, ndibanyuse baphume kwelo lizwe, baye ezweni elilungileyo, elibanzi, ezweni elibaleka amasi nobusi, endaweni yamaKanan, namaHiti, nama-Amori, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi.

9Ngoku ke naku ukukhala koonyana bakaSirayeli, kufikile kum; kananjalo ndikubonile ukuxina abaxine ngako amaYiputa.

10Hamba ngoku, ndíkuthume kuFaro, ubakhuphe eYiputa abantu bam, oonyana bakaSirayeli.

11Wathi uMoses kuThixo, Ndingubani na ukuba ndingáde ndiye kuFaro, ukuba ndibakhuphe eYiputa oonyana bakaSirayeli?

12Wathi, Ndiya kuba nawe. Nangu umqondiso wokuba ndikuthumile mna: ekubakhupheni kwakho abantu eYiputa, niya kumkhonza uThixo kule ntaba.

13Wathi uMoses kuThixo, Ùyabona, ukuba ndiya koonyana bakaSirayeli, ndithi kubo, UThixo wooyihlo undithumile kuni, baze bathi kum, Ngubani na igama lakhe? ndothini na kubo?

14Wathi uThixo kuMoses, NDINGUYE ENDINGUYE. Wathi, Wòtsho koonyana bakaSirayeli ukuthi, uNDINGUYE undithumile kuni.

15Waphinda wathi uThixo kuMoses, Wòthi koonyana bakaSirayeli, UYehova, uThixo wooyihlo, uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi, undithumile kuni: ligama lam elo ngonaphakade, sisikhumbuzo sam eso kwizizukulwana ngezizukulwana.

16Yiya uhlanganise amadoda amakhulu akwaSirayeli, uthi kuwo, UYehova, uThixo wooyihlo, uThixo ka-Abraham, kaIsake, kaYakobi, ubonakele kum, wathi, Ndinivelele nina, naloo nto niyenziweyo eYiputa.

17Ndathi, Ndiya kuninyusa niphume ezintsizini zaseYiputa, niye ezweni lamaKanan, namaHiti, nama-Amori, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi, ezweni elibaleka amasi nobusi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Boliphulaphula ilizwi lakho; uze uye ke wena namadoda amakhulu akwaSirayeli kukumkani waseYiputa, nithi kuye, UYehova uThixo wamaHebhere uhlangene nathi; ngoku makhe sihambe entlango uhambo lweentsuku ezintathu, sibingelele kuYehova uThixo wethu.

19Ke mna ndiyazi, ukuba ukumkani waseYiputa akayi kunivumela ukuba nihambe, nokuba sekungesandla esithe nkqi.

20Ndiya kusolula isandla sam, ndiyibethe iYiputa ngemisebenzi yam yonke ebalulekileyo, endiya kuyenza phakathi kwayo, andule ke ukunindulula.

21Aba bantu ndiya kubababala phambi kwamaYiputa; kuthi, xa nithe nemka, ningemki nizé.

22Intokazi iya kucela kwengummelwane wayo, nakwengumphambukeli endlwini yayo, impahla yesilivere, nempahla yegolide, neengubo, nizinxibe oonyana benu neentombi zenu, niwaphange amaYiputa.

IEksodus 4

UMoses unqena ukuthunywa; ukumiselwa kuka-Aron

1Waphendula uMoses wathi, Ùyabona, abayi kukholwa ndim, abayi kuliphulaphula izwi lam; kuba baya kuthi, UYehova akabonakalanga kuwe.

2Wathi uYehova kuye, Yintoni na loo nto isesandleni sakho? Wathi, Yintonga.

3Wathi, Yiphose emhlabeni. Wayiphosa emhlabeni, yasuka yaba yinyoka; wayibaleka uMoses.

4Wathi uYehova kuMoses, Solule isandla sakho, uyibambe ngomsila; (wasolula isandla sakhe, wayibamba, yasuka yaba yintonga esandleni sakhe);

5ukuze bakholwe ukuba uYehova, uThixo wooyise, uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi, ubonakele kuwe.

6Waphinda uYehova wathi kuye, Khawusifake isandla sakho esifubeni sakho. Wasifaka isandla sakhe esifubeni sakhe. Akusirhola isandla sakhe, naso sineqhenqa, simhlophe njengekhephu.

7Wathi, Sibuyisele isandla sakho esifubeni sakho. Wasibuyisela isandla sakhe esifubeni; wasirhola esifubeni sakhe, naso sibuye saba njengenyama yakhe.

8Kothi, ukuba abathanga bakholwe nguwe, àbaliphulaphula izwi lowokuqala umqondiso, bakholwe lilizwi lomqondiso wamva.

9Kothi, ukuba abathanga bakholwe nayile miqondiso mibini, àbaliphulaphula nezwi lakho, uthabathe amanzi omlambo, uwaphalazele emhlabeni owomileyo; osuka amanzi owathabathileyo emlanjeni abe ligazi emhlabeni owomileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Wathi uMoses kuYehova, Camagu, Nkosi yam! Àndindoda imazwi maninzi nanini na, oko wathethayo kumkhonzi wakho lo; kuba ndingokuthetha kunzima, ndikwanzima nolwimi.

11Wathi uYehova kuye, Ngubani na obeké umlomo emntwini? Ngubani na owenzé isidenge, nesithulu, nobonayo, nemfama? Asindim na, mna Yehova?

12Ngoko ke hamba, ndoba nomlomo wakho mna, ndikubonise into oya kuyithetha.

13Wathi yena, Camagu, Nkosi yam! Khawuthume ngesandla salowo womthuma.

14Wavutha umsindo kaYehova kuMoses, wathi, Akanguye na umkhuluwa wakho uAron umLevi? Ndiyazi ukuba yena uyakwazi ukuthetha. Kananjalo nanko yena ephuma eza kukukhawulela; wókubona, avuye entliziyweni yakhe.

15Wòthetha kuye, ubeke amazwi emlonyeni wakhe; mna ndoba nomlomo wakho nomlomo wakhe, ndinibonise into eniya kuyenza.

16Yena wokuthethela ebantwini, athi yena abe ngumlomo kuwe, uthi wena ube nguthixo kuye.

17Ke le ntonga yiphathe ngesandla sakho; ùya kwenza ngayo imiqondiso leyo.

UMoses ubuyela eYiputa

18Wahamba ke uMoses, wabuyela kuYitro, uyise womkakhe, wathi kuye, Makhe ndihambe, ndibuyele kubazalwana bam abaseYiputa, ndibone ukuba basahleli na. Wathi uYitro kuMoses, Hamba ngoxolo.

19UYehova wathi kuMoses kwaMidiyan, Hamba ubuyele eYiputa; kuba afile onke amadoda abezonda ubomi bakho.

20UMoses wathabatha umkakhe noonyana bakhe, wabakhwelisa e-esileni, wabuyela ezweni laseYiputa; wayiphatha uMoses intonga kaThixo ngesandla sakhe.

21Wathi uYehova kuMoses, Ekuhambeni kwakho ubuyela eYiputa, uze ukhangele ukuba uzenze phambi koFaro zonke izimanga, endizibeke esandleni sakho. Ke mna ndiya kuyenza lukhuni intliziyo yakhe, angabandululi abantu.

22Wòthi kuFaro, Utsho uYehova ukuthi, Unyana wam wamazibulo nguSirayeli;

23ndìthi kuwe, Mndulule unyana wam lowo, andikhonze; walilé nje ukumndulula, uyabona, ndombulala unyana wakho, amazibulo akho.

24Kwathi, endleleni apho balalisa khona, uYehova wamhlangabeza, wafuna ukumbulala.

25UTsipora wathabatha intshengece, wanqumla inyama yokwalùswa yonyana wakhe, wayiphosa ezinyaweni zakhe, wathi, Ungumyeni wamagazi kum.

26Wamyeka ke. Watsho oko ukuthi, Ungumyeni wamagazi, ngenxa yolwaluko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Wathi uYehova kuAron, Hamba uye kukhawulela uMoses entlango. Waya ke, wamhlangabeza entabeni kaThixo, wamanga.

28UMoses wamxelela uAron onke amazwi kaYehova abemthume wona, nemiqondiso yonke abemwisele umthetho ngayo.

29Wahamba uMoses noAron, bawahlanganisa onke amadoda amakhulu oonyana bakaSirayeli.

30Wawathetha uAron onke amazwi abewathethile uYehova kuMoses, wayenza nemiqondiso phambi kwabantu.

31Bakholwa abantu, beva ukuba uYehova ubavelele oonyana bakaSirayeli wazibona iintsizi zabo, bathoba baqubuda.

IEksodus 5

Udaba lukaThixo kuFaro; ukwandiswa kwengcinezelo

1Emveni koko beza ooMoses noAron, bathi kuFaro, Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Bandulule abantu bam, bandenzele umthendeleko entlango.

2Wathi uFaro, Ngubani na uYehova, ukuba ndiphulaphule izwi lakhe, lokuba ndindulule uSirayeli? Andimazi uYehova, kananjalo andiyi kumndulula uSirayeli.

3Bathi ke, UThixo wamaHebhere uhlangene nathi; makhe sihambe entlango uhambo lweentsuku ezintathu, sibingelele kuYehova uThixo wethu, hleze asiqwele ngendyikitya yokufa nangekrele.

4Wathi ukumkani waseYiputa kubo, Yini na, nina Moses noAron, ukuba nibakhulule abantu emisebenzini yabo? Yiyani emithwalweni yenu.

5Wathi uFaro, Yabonani, baninzi abantu belizwe ngoku, ke nina niyabaphumza emithwalweni yabo.

6UFaro wabawisela umthetho abaphathi nabaqhubi-kalukhuni babantu ngaloo mini, esithi,

7Ize ningabi sabanika abantu umququ wokwenza izitena, njengokwangaphambili; mabaye ngokwabo, bazibuthele umququ;

8nenani lezitena ababelenza njengokwangaphambili, bamiseleni lona; ize ningalinciphisi, kuba bayahiliza; kuko le nto bakhalayo, besithi, Masiye kubingelela kuThixo wethu.

9Mawube nzima umsebenzi phezu kwamadoda, asebenze wona, angaphulaphuli amazwi obuxoki.

10Baphuma ke abaphathi nabaqhubikalukhuni babantu, bathetha ebantwini bathi, Utsho uFaro ukuthi, Andiyi kuninika mququ;

© 1975 Bible Society of South Africa.

11yiyani nina, nizithabathele umququ apho ningawufumana khona; kuba akuyi
kuncitshiswa nto emsebenzini wenu.

12Baphalazeka abantu ezweni lonke laseYiputa, babutha iindiza endaweni yomququ.

13Abaqhubi-kalukhuni babantu babangxamisa, besithi, Yisebenzeni imisebenzi yenu,
into yemini ngangemini yayo, ngangókuya naninomququ.

14Babethwa ke abaphathi boonyana bakaSirayeli, ababemiswe phezu kwabo
ngabaqhubi-kalukhuni babantu bakaFaro, kusithiwa, Kungathuba lini na, ukuba
ningagqibi ukwenza izitena enizimiselweyo izolo nanamhla, njengokwangaphambili?

15Baya abaphathi boonyana bakaSirayeli, bakhala kuFaro, besithi, Yini na ukuba
wenjenje kubakhonzi bakho?

16Abakhonzi bakho aba àbanikwa mququ; kuthiwa ke kuthi, Yenzani izitena. Yabona,
abakhonzi bakho aba bayabethwa, kanti kona abantu bakho abo.

17Wathi, Kuhiliza nina; niyahiliza, kuko le nto nithi, Masiye sibingelele kuYehova.

18Yiyani ke ngoku, nisebenze; aniyi kunikwa mququ; ke lona inani lezitena niya
kulirhola.

19Babona abaphathi boonyana bakaSirayeli ukuba basebubini, kusithiwa nje, Aniyi
kunciphisa nto eziteneni zenu, kwinto yemini ngangemini yayo.

20Baqubisana noMoses noAron, beza kubo ekuphumeni kwabo kuFaro.

21Bathi kubo, UYehova makanikhangele, agwebe; ekubeni nilinukisile ivumba lethu
phambi koFaro, naphambi kwabakhonzi bakhe, ukuba kubekwe ikrele lokusibulala
esandleni sabo.

22Wabuyela kuYehova uMoses, esithi, Nkosi yam, yini na ukuba ubaphathe kakubi
aba bantu? Yini na le nto uthume mna?

23Kususela koko ndangenayo kuFaro, ndithetha egameni lakho, yena ubaphethe
kakubi aba bantu; àkubahlangulanga nokubahlangula abantu bakho.

IEksodus 6

Uhlaziyo lwedinga likaThixo kumaSirayeli

1Wathi uYehova kuMoses, Úya kukubona ngoku endiya kukwenza kuFaro, kuba ùya
kubandulula, abagxothe ezweni lakhe ngesandla esithe nkqi.

2Wathetha uThixo kuMoses, wathi kuye, NdinguYehova:

3ndabonakala kuAbraham nakuIsake nakuYakobi ngelokuba nguThixo uSomandla; ke
ngegama lam lokuba nguYehova àndazekanga kubo.

4Kananjalo ndawumisa nabo umnqophiso wam wokuba ndibanike ilizwe
lakwaKanan, ilizwe lokuphambukela kwabo ábaphambukela kulo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Kananjalo ndikuvile mna ukugula koonyana bakaSirayeli abakhonziswayo ngamaYiputa, ndawukhumbula umnqophiso wam.

6Yithi ngoko koonyana bakaSirayeli, ndinguYehova: ndiya kunikhupha phantsi kwemithwalo yamaYiputa, ndinihlangule enkonzweni yawo, ndinihlawulele, ndinikhulule ngengalo eyolukileyo, nangezigwebo ezikhulu;

7ndinithàbathe nibe ngabantu bam, ndibe nguThixo wenu; nazi ukuba ndinguYehova uThixo wenu, onikhuphayo phantsi kwemithwalo yamaYiputa;

8ndiningènise ezweni endaphakamisa isandla sam ngalo, ukuba ndilinike uAbraham noIsake noYakobi; ndiya kulinika nina, libe lilifa: ndinguYehova.

9Watsho ke uMoses koonyana bakaSirayeli; abamphulaphulanga uMoses, ngenxa yokukhathazeka, nangenxa yomsebenzi onzima.

10Wathetha uYehova kuMoses, wathi,

11Yiya uthethe kuFaro ukumkani waseYiputa, abandulule oonyana bakaSirayeli, baphume ezweni lakhe.

12UMoses wathetha phambi koYehova, wathi, Yabona, oonyana bakaSirayeli abandiphulaphulanga; wòthini na ke uFaro ukundiphulaphula, ndingomlomo ungalukanga nje?

13Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, wabawisela umthetho oonyana bakaSirayeli, nakuFaro ukumkani waseYiputa, ukuba babakhuphe oonyana bakaSirayeli ezweni laseYiputa.

Abazali bakaMoses noAron

14Zizo ezi iintloko zezindlu zooyise: oonyana bakaRubhen, amazibulo kaSirayeli, nguHanoki, noFalu, nguHetseron, noKarmi; yiyo leyo imizalwane yakwaRubhen.

15Oonyana bakaSimon nguYemuweli, noYamin, no-Ohadi, noYakin, noTsohare, noSawule, unyana womKananekazi; yiyo leyo imizalwane yakwaSimon.

16Ngawo la amagama oonyana bakaLevi ngenzala yabo: uGershon, noKehati, noMerari. Iminyaka yobudala bukaLevi yayiyiminyaka elikhulu elinamanci mathathu anesixhenxe.

17Oonyana bakaGershon nguLibheni, noShimehi, ngokwemizalwane yabo.

18Oonyana bakaKehati nguAmram, noItsare, noHebron, noUziyeli. Iminyaka yobudala bukaKehati yayiyiminyaka elikhulu elinamanci mathathu anamithathu.

19Oonyana bakaMerari nguMaheli, noMushi; yiyo leyo imizalwane yakwaLevi ngenzala yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20UAmram wazeka uYokebhede, udade boyise, wangumkakhe; wamzalela uAron noMoses. Iminyaka yobudala buka-Amram yayiyiminyaka elikhulu elinamanci mathathu anesixhenxe.

21Oonyana bakaItsare nguKora, noNefege, noZikri.

22Oonyana bakaUziyeli nguMishaheli, noElitsafan, noZitri.

23UAron wazeka uElishebha intombi ka-Aminadabhi, udade boNashon, wangumkakhe; wamzalela uNadabhi, noAbhihu, noElazare, noItamare.

24Oonyana bakaKora nguAzire, noElikana, noAbhiyazafu; yiyo leyo imizalwane yamaKora.

25UElazare, unyana ka-Aron, wazeka umfazi ezintombini zikaPutiyeli; wamzalela uPinehasi. Zizo ezo iintloko zezindlu zooyise zabaLevi, ngokwemizalwane yabo.

26Ngulaa Aron noMoses, wathi kubo uYehova, Bakhupheni oonyana bakaSirayeli ezweni laseYiputa ngokwemikhosi yabo.

27Ngabo abo bathetháyo kuFaro ukumkani waseYiputa, ukuba abakhuphe oonyana bakaSirayeli eYiputa; ngabo Moses noAron.

28Kwathi, mhlana wathethayo uYehova kuMoses ezweni laseYiputa,

29wathetha uYehova kuMoses, wathi, NdinguYehova; thetha kuFaro, ukumkani waseYiputa, zonke izinto endizithethayo kuwe.

30Wathi uMoses phambi koYehova, Yabona, ndingomlomo ungalukanga; wóthini na uFaro ukundiphulaphula?

IEksodus 7

UMoses uya kuFaro; isibetho sokuqala

1Wathi uYehova kuMoses, Khangela, ndikwenzé uthixo kuFaro; ke uAron umkhuluwa wakho woba ngumprofeti wakho.

2Wena wothetha zonke izinto endikuwisele umthetho ngazo; ke uAron umkhuluwa wakho wothetha kuFaro, aze abandulule oonyana bakaSirayeli ezweni lakhe.

3Ke mna ndiya kuyiqaqadekisa intliziyo kaFaro, ndiyandise imiqondiso yam nezimanga zam ezweni laseYiputa.

4Akayi kuniphulaphula uFaro. Ke mna iYiputa ndiya kuyisa isandla, ndiyikhuphe imikhosi yam, abantu bam oonyana bakaSirayeli, ezweni laseYiputa ngezigwebo ezikhulu;

5azi amaYiputa, ekusoluleni kwam isandla sam phezu kweYiputa, ukuba ndinguYehova; ndibakhuphe oonyana bakaSirayeli phakathi kwawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wenza ke uMoses noAron; ngoko uYehova wabawisela umthetho ngako, benjenjalo.

7UMoses ubeminyaka imashumi asibhozo ezelwe, noAron ubeminyaka imashumi asibhozo anamithathu ezelwe, ukuthetha kwabo kuFaro.

8Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, wathi,

9Xa athe uFaro wathetha kuni, esithi, Ndiboniseni isimanga, wòthi wena kuAron, Thabatha intonga yakho, uyiphose phambi koFaro; yoba yinyoka.

10Wangena uMoses noAron kuFaro; benza njengoko uYehova wabawisela umthetho, uAron wayiphosa intonga yakhe phambi koFaro, naphambi kwabakhonzi bakhe, yaba yinyoka.

11Naye uFaro wazibiza izilumko nabakhafuli; zenjenjalo nezazi ezo zaseYiputa, ngobugqi bazo.

12Elowo waphosa phantsi intonga yakhe, yaba yinyoka; yasuka intonga ka-Aron yaziginya iintonga zabo.

13Yaba lukhuni intliziyo kaFaro; akabaphulaphula, njengoko wayetshilo uYehova.

14Wathi uYehova kuMoses, Intliziyo kaFaro iqaqadekile, akavumi ukubandulula abantu.

15Yiya kuFaro kusasa, nanko ephuma esiya emanzini. Uze ume elunxwemeni lomlambo malunga naye; intonga eyaguqukayo yaba yinyoka yiphathe esandleni.

16Uze uthi kuye, UYehova, uThixo wamaHebhere, undithume kuwe, esithi, Bandulule abantu bam, baye kundikhonza entlango; yabona ke, akuphulaphulanga unangoku.

17Utsho uYehova ukuthi, Uya kwazi ngale nto ke ukuba ndinguYehova. Yabona, ndiya kubetha ngentonga esesandleni sam emanzini omlambo, aguqulwe abe ligazi,

18zife iintlanzi ezisemlanjeni, unuke umlambo, amaYiputa abe nesicaphucaphu akuwasela amanzi omlambo.

19Wathi uYehova kuMoses, Yithi kuAron, Thabatha intonga yakho, wolule isandla sakho phezu kwamanzi aseYiputa, phezu kwemilambo yabo, naphezu kwemijelo yabo, naphezu kwamachibi abo, naphezu kweentlangano zonke zamanzi abo; abe ligazi, ibe ligazi ezweni lonke laseYiputa, nasemiphandeni yemithi neyamatye.

20OoMoses noAron benza njengoko uYehova wabawisela umthetho; wayiphakamisa intonga, wawabetha amanzi omlambo phambi koFaro, naphambi kwabakhonzi bakhe; aza aguquka onke amanzi omlambo, aba ligazi.

21Zafa iintlanzi ezisemlanjeni, wanuka umlambo, akaba nako amaYiputa ukuwasela amanzi omlambo; laba ligazi ezweni lonke laseYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Zenjenjalo ke nezazi zaseYiputa ngobugqi bazo. Yaba lukhuni intliziyo kaFaro, akabaphulaphula, njengoko wayetshilo uYehova.

23Wajika uFaro, waya endlwini yakhe, akayibekela ntliziyo nale nto.

24Onke amaYiputa emba amanzi okusela ngeenxa zonke emlanjeni; kuba ebengenakuwasela amanzi omlambo.

25Kwazaliseka isixhenxe seentsuku emveni kokuwubetha kwakhe uYehova umlambo.

IEksodus 8

Isibetho sesibini nesesithathu nesesiné

1Wathi uYehova kuMoses, Yiya kuFaro, uthi kuye, Utsho uYehova ukuthi, Bandulule abantu bam, baye kundikhonza.

2Ke ukuba ùthe akwavuma ukubandulula, uyabona, ndoyibetha yonke imida yakho ngamasele;

3umlambo unyakazele amasele, anyuke, angene endlwini yakho, nasesililini sakho, naphezu kwesingqengqelo akho, nasendlwini yabakhonzi bakho, nasebantwini bakho, nasezimbizeni zakho, nasemikhumbini yakho yentlama;

4anyuke amasele lawo, eze nakuwe, nakubantu bakho, nakubakhonzi bakho bonke.

5Wathi uYehova kuMoses, Yithi kuAron, Yolula isandla sakho eso sinentonga yakho phezu kwemilambo, naphezu kwemijelo, naphezu kwamachibi, unyuse amasele phezu kwelizwe laseYiputa.

6Wasolula ke uAron isandla sakhe phezu kwamanzi aseYiputa; enyuka amasele, aligubungela ilizwe laseYiputa.

7Zenjenjalo nezazi ngobugqi bazo, zawanyusa amasele phezu kwelizwe laseYiputa.

8UFaro wabiza uMoses noAron, wathi, Mthandazeni uYehova, awasuse amasele kum nasebantwini bam; ndobandulula abantu, baye kubingelela kuYehova.

9Wathi uMoses kuFaro, Zizukise ngokundimisela ixesha lokuba ndikuthandazele nini na, wena nabakhonzi bakho, nabantu bakho, anqunyulwe amasele kuwe nakwindlu yakho, asale emlanjeni wodwa.

10Wathi yena, Ngomso. Wathi ke, Makube ngokwelizwi lakho, ukuze wazi ukuba akukho unjengoYehova uThixo wethu;

11asuke amasele kuwe, nakwizindlu zakho, nakubakhonzi bakho, nakubantu bakho; asale emlanjeni wodwa.

12Baphuma ke ooMoses noAron kuFaro; wadanduluka uMoses kuYehova ngendawo yamasele abewabeke phezu koFaro.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wenza uYehova ngokwelizwi likaMoses. Afa amasele ezindlwini, nasezintendelezweni, nasemasimini.

14Bawahlanganisa aziimfumba ngeemfumba; lanuka ilizwe.

15Uthe ke uFaro akuba nethuba lokuphefumla, wayenza lukhuni intliziyo yakhe, akabaphulaphula, njengoko watshoyo uYehova.

16Wathi uYehova kuMoses, Yithi kuAron, Yolula intonga yakho, ulubethe uthuli lwelizwe lube ziingcongconi ezweni lonke laseYiputa.

17Benjenjalo. Wasolula uAron isandla sakhe eso sinentonga yakhe, walubetha uthuli lwelizwe, lwaba ziingcongconi ebantwini nasezinkomeni. Lonke uthuli lwelizwe lwaba ziingcongconi ezweni lonke laseYiputa.

18Zenjenjalo nezazi ngobugqi bazo, ukuba zivelise iingcongconi, azaba nako. Kwakho iingcongconi ebantwini nasezinkomeni.

19Zathi izazi kuFaro, Ngumnwe kaThixo. Yaba lukhuni intliziyo kaFaro, akabaphulaphula, njengoko watshoyo uYehova.

20Wathi uYehova kuMoses, Vuka kusasa ngomso, ume phambi koFaro, nanko ephuma esiya emanzini; uthi kuye, Utsho uYehova ukuthi, Bandulule abantu bam, baye kundikhonza.

21Okanye ukuba uthe akwabandulula abantu bam, yabona, ndithuma izibawu kuwe, nakubakhonzi bakho, nakubantu bakho, nasezindlwini zakho, zizale izindlu zamaYiputa zizibawu, nomhlaba akuwo;

22ndilibàlule ngaloo mini lona ilizwe laseGoshen, abemi kulo abantu bam, kungabikho zibawu khona, ukuze wazi ukuba ndinguYehova phakathi kwelizwe;

23ndimìse inkululo phakathi kwabantu bam nabantu bakho; lo mqondiso uya kubakho ngomso.

24Wenjenjalo uYehova. Kweza izibawu ezininzi endlwini kaFaro, nasezindlwini zabakhonzi bakhe, nasezweni lonke laseYiputa; lonakala ilizwe zizibawu.

25UFaro wabiza uMoses na-Aron, wathi, Yiyani nibingelele kuThixo wenu kweli lizwe.

26Wathi uMoses, Àkulungisile ukwenjenjalo; kuba soba sibingelela amasikizi amaYiputa kuYehova uThixo wethu. Ukuba sithe sabingelela into engamasikizi kumaYiputa phambi kwawo, osixuluba ngamatye.

27Siya kuhamba uhambo lweentsuku ezintathu entlango, sibingelele kuYehova uThixo wethu, njengoko wóthi asiyalele.

28Wathi uFaro, Ndiya kunindulula nina, niye kubingelela kuYehova uThixo wenu entlango, kodwa ize ningahambi niye kude; ndithandazeleni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Wathi uMoses, Yabona, ndiya kuphuma kuwe, ndithandaze kuYehova, zimke izibawu kuFaro, nakubakhonzi bakhe, nakubantu bakhe ngomso, kodwa makangaphindi uFaro akhohlise ngokungabandululi abantu, baye kubingelela kuYehova.

30Wemka uMoses, wathandaza kuYehova.

31Wenza uYehova ngokwelizwi likaMoses, wazisusa izibawu kuFaro, nakubakhonzi bakhe, nakubantu bakhe; akwasala nasinye.

32UFaro wayiqaqadekisa intliziyo yakhe, nangesi sihlandlo, akabandulula abantu.

IEksodus 9

Isibetho sesihlanu nesesithandathu nesesixhenxe

1Wathi uYehova kuMoses, Yiya kuFaro, uthethe naye, uthi, Utsho uYehova uThixo wamaHebhere, ukuthi, Bandulule abantu bam, baye kundikhonza.

2Okanye ukuba uthe akwavuma ukubandulula, waba usababambile,

3yabona, isandla sikaYehova soba semfuyweni yakho esendle, emahasheni, emaesileni, ezinkameleni, ezinkomeni, nasempahleni emfutshane, senze indyikitya yokufa enzima kunene;

4uYehova ayibalule imfuyo yamaSirayeli kwimfuyo yamaYiputa: akuyi kufa nto kuyo yonke eyoonyana bakaSirayeli.

5UYehova umisé ixesha elithile, wathi, Ngomso uYehova uya kuyenza le nto kweli lizwe.

6Wayenza ka uYehova le nto ngengomso. Yafa yonke imfuyo yamaYiputa; ke kweyoonyana bakaSirayeli imfuyo akufanga nanye.

7UFaro wasusa umntu. O, kweyamaSirayeli imfuyo akufanga nokuba ibe nye. Yaqaqadeka intliziyo kaFaro, akabandulula abantu.

8Wathi uYehova kuMoses nakuAron, Thabathani uthuthu lweziko, nizalise izandla zozibini, uMoses aluphose phezulu esibhakabhakeni phambi koFaro,

9lube luthuli ezweni lonke laseYiputa, lube ngamathumba athe qwele ngamaqhakuva ebantwini, nasezinkomeni, ezweni lonke laseYiputa.

10Baluthabatha ke uthuthu lweziko, bema phambi koFaro; uMoses waluphosa phezulu esibhakabhakeni, lwaba ngamathumba athe qwele ngamaqhakuva ebantwini nasezinkomeni.

11Azaba nako izazi ukuma phambi koMoses ngenxa yamathumba; kuba amathumba abakho kwizazi nakumaYiputa onke.

12UYehova wayenza lukhuni intliziyo kaFaro, akabaphulaphula, njengoko watshoyo uYehova kuMoses.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wathi uYehova kuMoses, Vuka kusasa, ume phambi koFaro, uthi kuye, Utsho uYehova uThixo wamaHebhere, ukuthi, Bandulule abantu bam, baye kundikhonza.

14Kuba ngesi sihlandlo ndithuma zonke izibetho zam entliziyweni yakho, nakubakhonzi bakho, nakubantu bakho, ukuze wazi ukuba akukho unjengam ehlabathini lonke.

15Kuba ngoku, ukuba bendithe ndasolula isandla sam, ndakubetha wena nabantu bakho ngendyikitya yokufa, ngewuthe shwaka akwabakho ehlabathini.

16Noko ke ndikumisele eli thuba lokuba ndiwabonakalalise amandla am kuwe, laziswe igama lam ehlabathini lonke.

17Unangoku usazenza udonga kubantu bam, akubandululi.

18Yabona, eli xa ngomso ndiya kunisa isichotho esinzima kunene, ekungazanga kubekho singangaso eYiputa, kususela kwimini eyasekwayo kude kube ngoku.

19Thumela ngoku, ukhawuleze, uhlanganise imfuyo yakho, neento zakho zonke onazo ezindle; bonke abantu neenkomo ezifunyenwe endle zingàhlanganiselwanga ekhaya, zohlelwa sisichotho, zife.

20Owaloyikayo ilizwi likaYehova kubakhonzi bakaFaro, wabasabisela ezindlwini abakhonzi bakhe nemfuyo yakhe.

21Ongalibekelanga ntliziyo ilizwi likaYehova, wabayeka abakhonzi bakhe nemfuyo yakhe endle.

22Wathi uYehova kuMoses, Yolulela isandla sakho ezulwini, kubekho isichotho ezweni lonke laseYiputa phezu kwabantu, naphezu kweenkomo, naphezu kwemifuno yonke yasendle, ezweni lonke laseYiputa.

23UMoses wayolulela intonga yakhe ezulwini; uYehova wathoba indudumo nesichotho, nomlilo wehla weza emhlabeni. UYehova walinisela isichotho ilizwe laseYiputa.

24Kwabakho ke isichotho, nomlilo obophene phakathi kwesichotho, sinzima kunene, ekungazanga kubekho singangaso ezweni lonke lamaYiputa, kususela oko aba luhlanga.

25Isichotho sayibetha yonke into esendle ezweni lonke laseYiputa, kwathabathela emntwini kwesa enkomeni; sayibetha isichotho yonke imifuno yasendle, sayaphula yonke imithi yasendle.

26Kodwa ezweni laseGoshen, apho babekhona oonyana bakaSirayeli, akubangakho sichotho.

27Wathuma uFaro, wabiza uMoses noAron, wathi kubo, Ndonile okwesi sihlandlo. UYehova ulilungisa, ke mna nabantu bam asindawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Thandazani kuYehova; kwanele ukubakho kweendudumo zikaThixo nesichotho;
ndonindulula ningabi sahlala.

29UMoses wathi kuye, Ekuphumeni kwam phakathi komzi, ndozolulela kuYehova
izandla zam, ziyeke iindudumo, nesichotho singabi sabakho, ukuze wazi ukuba
umhlaba lo ngokaYehova.

30Ke wena nabakhonzi bakho, ndiyazi ukuba aniyi kwandula nimoyike uYehova
uThixo.

31Yabhuqwa iflakisi nerhasi, kuba irhasi ibiselidubule, neflakisi ibiselityatyambile.

32Ke yona ingqolowa nespelete ayibhuqwanga; kuba ibisencinane.

33Waphuma uMoses phakathi komzi, wemka kuFaro, wazolulela izandla zakhe
kuYehova, zayeka iindudumo nesichotho, yathula imvula emhlabeni.

34Wabona uFaro ukuba iphelile imvula nesichotho neendudumo, waphinda wóna,
wayiqaqadekisa intliziyo yakhe, yena nabakhonzi bakhe.

35Yaba lukhuni ke intliziyo kaFaro, akabandulula oonyana bakaSirayeli, njengoko
watshoyo uYehova ngoMoses.

IEksodus 10

Isibetho sesibhozo nesethoba

1Wathi uYehova kuMoses, Yiya kuFaro; kuba mna ndiyiqaqadekisile intliziyo yakhe,
nentliziyo yabakhonzi bakhe, ukuze ndibónakalalise le miqondiso yam phakathi
kwalo ilizwe;

2ukuze ubalise, ezindlebeni zonyana wakho nezonyana wonyana wakho, izenzo
ezincamisileyo endizenzileyo kumaYiputa, nemiqondiso yam endiyibonakalalisileyo
phakathi kwawo, ukuze nazi ukuba ndinguYehova.

3Waya uMoses noAron kuFaro, bathi kuye, Utsho uYehova, uThixo wamaHebhere,
ukuthi, Kunini na ungavumi ukuzithoba phambi kwam? Bandulule abantu bam, baye
kundikhonza.

4Okanye ukuba uthe akwavuma ukubandulula abantu bam, uyabona, ngomso
ndozisa iinkumbi emideni yakho;

5zibugubungele ubuso belizwe, lingabi nakubonwa ilizwe, zidle intsalela esindileyo,
enisalele esichothweni, zidle yonke imithi enihlumelayo endle;

6zizalise izindlu zakho, nezindlu zabakhonzi bakho bonke, nezindlu zamaYiputa onke:
iinkumbi ezingabonwanga ngooyihlo noonyokokhulu, kususela kwiimini ababekho
ngazo emhlabeni, unanamhla. Wajika, waphuma kuFaro.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Bathi abakhonzi bakaFaro kuye, Koda kube nini na, lo engumgibe kuthi? Bandulule abantu, baye kukhonza uYehova uThixo wabo. Akukazi na, kuhleliwe nje, ukuba iYiputa iza kutshabalala?

8Baza ooMoses noAron babuyiselwa kwakuFaro; wathi kubo, Hambani, niye kukhonza uYehova uThixo wenu; kuhamba oobani noobani ke?

9Wathi uMoses, Siya kuhamba nolutsha neengwevu zakowethu, sihambe noonyana bethu neentombi zethu, nempahla yethu emfutshane neenkomo zethu; kuba kuthi ngumthendeleko kaYehova.

10Wathi kubo, Makube njalo kambe; uYehova makabe nani, njengokuba ndinindulula nina nentsapho yenu. Khangelani, kukho ububi phambi kwenu.

11Makungabi njalo; makuhambe nina bangamadoda, niye kukhonza uYehova; kuba nibe nifuna oko. Bagxothwa, baphuma ebusweni bukaFaro.

12Wathi uYehova kuMoses, Yolula isandla sakho phezu kwelizwe laseYiputa, kuze iinkumbi, zinyuke kulo ilizwe laseYiputa, ziyidle yonke imifuno yelizwe eli, yonke into eshiywe sisichotho.

13Wayolula uMoses intonga yakhe phezu kwelizwe laseYiputa, uYehova waqhuba umoya wasempumalanga kwelo lizwe yonke loo mini nobusuku bonke; kwakusa, umoya wasempumalanga wazithwala iinkumbi.

14Zenyuka iinkumbi kulo lonke ilizwe laseYiputa; zeza zahlala emideni yonke yaseYiputa, zininzi kunene; ekungazanga phambi kwazo kubekho zinkumbi zingako, kwabe emva kwazo kungasayi kubakho zinjalo.

15Zabugubungela ubuso belizwe lonke, laba mnyama ilizwe; zayidla yonke imifuno yelizwe neziqhamo zonke zemithi, ezazishiywe sisichotho; àkwasala nanye into eluhlaza emthini nasemifunweni yasendle, ezweni lonke laseYiputa.

16Wakhawuleza uFaro wabiza uMoses noAron, wathi, Ndonile kuYehova uThixo wenu nakuni.

17Kaloku khanisixolele isono sam okwesi sihlandlo sodwa, nithandaze kuYehova uThixo wenu, akususe kum oku kufa kodwa.

18Waphuma kuFaro, wathandaza kuYehova.

19UYehova wawuguqula umoya, waba ngowasentshonalanga onamandla kunene, wazithwala iinkumbi, wazidiba eLwandle oluBomvu; akwasala nanye inkumbi, emideni yonke yaseYiputa.

20Wayenza lukhuni uYehova intliziyo kaFaro, akabandulula oonyana bakaSirayeli.

21Wathi uYehova kuMoses, Yolulela isandla sakho ezulwini, kubekho ubumnyama ezweni laseYiputa, ubumnyama obungqingqwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Wasolulela uMoses insandla sakhe ezulwini; kwabakho ubumnyama obusithokothoko ezweni lonke laseYiputa imihla emithathu.

23Àbabonana; àkwasuka bani endaweni yakhe imihla emithathu; ke kubo bonke oonyana bakaSirayeli kwabakho ukukhanya emakhayeni abo.

24UFaro wabiza uMoses, wathi, Hambani niye kukhonza uYehova; kodwa impahla yenu emfutshane neenkomo zenu mazisale; nayo intsapho yenu yohamba nani.

25Wathi uMoses, Wena uze usinike imibingelelo namadini anyukayo ezandleni zethu, sibingelele kuYehova uThixo wethu;

26nemfuyo yethu ihambe nathi; akuyi kusala nophuphu olunye; kuba sothabatha kuyo ukukhonza uYehova uThixo wethu; kuba thina asazi ukuba somkhonza ngantoni na uYehova, side sifike khona.

27UYehova wayenza lukhuni intliziyo kaFaro, àkavuma ukubandulula.

28Wathi uFaro kuye, Hamba umke kum, uze uzigcine, ungaphindi ububone ubuso bam; kuba mhlana ububonileyo ubuso bam uya kufa.

29Wathi uMoses, Utyaphile utsho; andisayi kuphinda ndibubone ubuso bakho.

IEksodus 11

Oonyana bamazibulo baseYiputa bayasongelwa

1UYehova wathi kuMoses, Ndisaya kufikisa sibetho sinye phezu koFaro naphezu kweYiputa, emveni koko wónindulula nimke apha; xa anindulula kuphele, úya kunigxotha kanye, nimke apha.

2Khawuthethe ezindlebeni zabantu, ithi inkazana icele kummelwane wayo, indoda icele kummelwane wayo, iimpahla zesilivere neempahla zegolide.

3UYehova wabababala abantu emehlweni amaYiputa. Kananjalo indoda leyo inguMoses yayinkulu kunene ezweni laseYiputa kubakhonzi bakaFaro nasebantwini.

4Wathi uMoses, Utsho uYehova ukuthi, Xa kuphakathi kobusuku, ndiya kuphuma ndihambe phakathi kweYiputa,

5afe onke amazibulo ezweni laseYiputa, ethabathela kumazibulo kaFaro, ohleliyo etroneni yakhe, ese kumazibulo omkhonzazana osemva kwamatye okusila, namazibulo onke eenkomo;

6kubekho isikhalo esikhulu ezweni lonke laseYiputa, ekungazanga kubekho sinjalo, kwaye kungayi kuphinda kubekho sinjalo.

7Ke kubo bonke oonyana bakaSirayeli, akukho nja iya kubavungamela, kuthabathela emntwini kuse ezinkomeni; ukuze nazi ukuba uYehova uyawahlula amaYiputa kumaSirayeli;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8behle bonke abakhonzi bakho abo, beze kum, baqubude kum, besithi, Phuma wena
nabantu bonke abakulandelayo; ndiphume ke emveni koko. Waza waphuma kuFaro,
evutha ngumsindo.

9UYehova wathi kuMoses, Akayi kuniphulaphula uFaro, ukuze zande izimanga zam
ezweni laseYiputa.

10UMoses noAron bazenza ke ezi zimanga zonke phambi koFaro; uYehova wayenza
lukhuni intliziyo kaFaro, akabandulula oonyana bakaSirayeli ezweni lakhe.

IEksodus 12

Isimiselo sepasika

1Wathetha uYehova kuMoses nakuAron ezweni laseYiputa, wathi,

2Le nyanga kuni iyintloko yeenyanga; kuni yeyokuqala ezinyangeni zomnyaka.

3Thethani kwibandla lonke lakwaSirayeli, nithi, Ngolweshumi usuku kule nyanga
elowo makazithabathele ixhwane, ngokwenzindlu zooyise, ixhwane ngendlu.

4Ukuba ithe indlu yancinane exhwaneni, makathabathe ixhwaneyena enommelwane
wakhe okufuphi nendlu yakhe, ngokwenani labantu; elowo ngangokokudla kwakhe
nombalela exhwaneni.

5Ixhwane lenu malibe liduna eligqibeleleyo, elimnyaka mnye; nolithabatha
ezigusheni nokuba kusezibhokhweni.

6Nize niligcine kude kube lusuku lweshumi elinesiné lwale nyanga, sílixhele ke sonke
isikhungu sebandla lakwaSirayeli lakutshona ilanga;

7bacaphule egazini, baliqabe emigubasini yomibini nasemqadini wezindlu eliya
kudlelwa kuzo ngabo;

8bayidle inyama ngobo busuku, yosiwe ngomlilo, inezonka ezingenagwele,
bayidle nemithana ekrakra.

9Musani ukudla ndawo ikrwada kuyo, nandawo ikuphekwa iphekwé ngamanzi;
mayosiwe ngomlilo: intloko yalo namanqina alo nezibilini zalo.

10Nize ningasalisi ndawo yalo kude kusé; okuseleyo kulo kwada kwasa nòkutshisa
ngomlilo.

11Nize nenjenje ukulidla; nodla nibhinqile, nineembadada ezinyaweni zenu,
ninentonga esandleni senu, nilidle buphuthuphuthu: leyo yipasika kuYehova.

12Ndiya kucanda ezweni laseYiputa ngobu busuku, ndibethe onke amazibulo ezweni
laseYiputa, ndithabathele emntwini ndise enkomeni, ndenze izigwebo koothixo
bonke baseYiputa, mna Yehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Igazi elo loba ngumqondiso kuni ezindlwini enikuzo. Ndolibona igazi, ndigqithe kuni, singabikho kuni isibetho esonakalisayo, ekulibetheni kwam ilizwe laseYiputa.

14Le mini yoba sisikhumbuzo kuni, niyenze umthendeleko kuYehova; ezizukulwaneni zenu niyenze ummiselo ongunaphakade.

15Nodla izonka ezingenagwele iintsuku zibe sixhenxe; kwangosuku lokuqala nolisusa igwele ezindlwini zenu; kuba bonke abadla isonka esinegwele, kususela kolokuqala kude kube lusuku kwesixhenxe, bonqanyulwa bangabikho kwaSirayeli.

16Ngomhla wokuqala kobakho intlanganiso engcwele, nangomhla wesixhenxe kobakho intlanganiso engcwele kuni. Akuyi kwenziwa msebenzi ngawo, ingengulowo wokudla komntu; nguwo wodwa eningazenzelayo.

17Nize nigcine umthendeleko wezonka ezingenagwele; kuba kanye ngayo loo mini ndayikhupha imikhosi yenu ezweni laseYiputa; niwugcine loo mhla kwizizukulwana zenu, ube ngummiselo ongunaphakade.

18Ngeyokuqala inyanga, ngosuku lweshumi elinesiné enyangeni leyo, ngokuhlwa, nodla izonka ezingenagwele, kude kuse kusuku lwamashumi omabini analunye lwenyanga leyo, ngokuhlwa.

19Ze kungafunyanwa gwele ezindlwini zenu iintsuku ezisixhenxe; kuba bonke abadla into enegwele bonqanyulwa bangabikho ebandleni lakwaSirayeli, nokuba ngumphambukeli, nokuba ngozalelwe kuloo ndawo.

20Yonke into enegwele nize ningayidli; emakhayeni enu onke nodla izonka ezingenagwele.

21Wawabiza uMoses onke amadoda amakhulu akwaSirayeli, wathi kuwo, Hambani niye, nizithabathele ixhwane ngokwemizalwane yenu, nixhele ipasika.

22Nithabathe isipha sehisope, nisithi nkxu egazini elisengqayini, niqabe emqadini nasemigubasini yomibini ngegazi elisengqayini; ke kuni ze kungaphumi mntu emnyango wendlu yakhe kude kusé.

23UYehova uya kucanda, awabulale amaYiputa. Akulibona igazi emqadini nasemigubasini yomibini, wogqitha uYehova emnyango, angamvumeli umonakalisi ukuba angene ezindlwini zenu, abulale.

24Wòligcina elo zwi libe ngummiselo kuwe, nakoonyana bakho kude kuse ephakadeni.

25Nòthi, nakufika ezweni aya kuninika uYehova, njengoko watshoyo, niyigcine le nkonzo.

26Kothi, xa bathe oonyana benu kuni,

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Iyintoni na le nkonzo kuni? nithi ke, Ngumbingelelo wepasika kuYehova, owagqitha ezindlwini zoonyana bakaSirayeli eYiputa; ekubulaleni kwakhe amaYiputa, wazihlangula izindlu zethu.

28Bathoba abantu, baqubuda. Bahamba oonyana bakaSirayeli, baya kwenza; njengoko uYehova wabawisela umthetho uMoses noAron, benjenjalo.

Isibetho seshumi nokunduluka kwamaSirayeli eYiputa

29Kwathi ke phakathi kobusuku, uYehova wawabulala onke amazibulo ezweni laseYiputa, kwathabathela kowamazibulo kaFaro ohleliyo etroneni yakhe, kwasa kowamazibulo omthinjwa osentolongweni engumhadi, namazibulo onke eenkomo.

30Wavuka uFaro ebusuku, yena nabakhonzi bakhe bonke, namaYiputa onke; kwabakho isikhalo esikhulu eYiputa; kuba akubangakho ndlu ingenamntu ufileyo.

31Wabiza uMoses noAron ebusuku, wathi, Sukani niphume phakathi kwabantu bam, nina aba noonyana bakaSirayeli, nihambe niye kumkhonza uYehova, njengokutsho kwenu;

32nempahla yenu emfutshane neenkomo zenu zithabatheni, njengoko natshoyo, nihambe; nam nindisikelele.

33AmaYiputa ajokisa ukubandulula abantu ngobungxamo kwelo zwe; kuba abesithi, Sonke sesifile.

34Abantu bayithabatha intlama yabo ingekabi nagwele, imikhumbi yabo yokuxovulela isongelwe ezingutyeni zabo, ibotshelelwe emagxeni abo.

35Oonyana bakaSirayeli benza ngokwelizwi likaMoses; bacela kumaYiputa iimpahla zesilivere, neempahla zegolide, neengubo.

36UYehova wabababala abantu phambi kwamaYiputa, ábenza ukuba bacele. Bawaphanga ke amaYiputa.

37Banduluka ke oonyana bakaSirayeli eRameses, baya eSukoti, amadoda eenyawo engáthi akumakhulu omathandathu amawaka, ngaphandle kosapho.

38Kwenyuka ke nabo inkitha engumxube, nempahla emfutshane, neenkomo, imfuyo eninzi kunene.

39Bosa amaqebengwana angenagwele entlama, ababephume nayo eYiputa, kuba ibingenagwele; kuba bagxothwa eYiputa ababa nakulibala, kananjalo babengazenzelanga mphako.

40Ke ukuhlala koonyana bakaSirayeli, abakuhlalayo eYiputa, yiminyaka emakhulu mané aneminyaka emanci mathathu.

41Ekupheleni kweminyaka emakhulu mané, aneminyaka emanci mathathu, kwathi, kanye ngayo loo mini, yaphuma yonke imikhosi kaYehova ezweni laseYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

42Bubusuku obo bokugcina kukaYehova, kuba wabakhupha ezweni laseYiputa. Bubusuku bukaYehova obo bokugcinwa ngoonyana bakaSirayeli bonke, ezizukulwaneni zabo.

43Wathi uYehova kuMoses nakuAron, Ummiselo wepasika nguló: Bonke oonyana bolunye uhlanga abasayi kudla kuyo.

44Onke amakhoboka, abantu abazuzwe ngemali, uze uwaluse, andule ke ukudla kuyo.

45Olundwendwe nongumqeshwa akasayi kudla kuyo.

46Yodlelwa ndlwini-nye; akusayi kusa nto yaloo nyama ngaphandle kwendlu, anisayi kwaphula thambo layo.

47Lonke ibandla lakwaSirayeli loyenza loo nto.

48Xa athe owasemzini waphambukela kuwe, wenza ipasika kuYehova, mayaluswe yonke into eyindoda kuye, andule ke ukusondela, ayenze, abe njengozalelwe kwelo zwe; bonke abangaluswanga abasayi kudla kuyo.

49Wóba mnye umyalelo, kozalelwe kwelo zwe, nakowasemzini ophambukele phakathi kwenu.

50Benza ke bonke oonyana bakaSirayeli; njengoko uYehova wabawisela umthetho uMoses noAron, benjenjalo.

51Kwathi, ngayo kanye loo mini, uYehova wabakhupha oonyana bakaSirayeli ezweni laseYiputa ngokwemikhosi yabo.

IEksodus 13

Ukungcwaliswa koonyana bamazibulo

1UYehova wathetha kuMoses, wathi,

2Ndíngcwalisele onke amazibulo, yonke into evula isizalo phakathi koonyana bakaSirayeli, kumntu nakwinkomo; yeyam.

3Wathi uMoses ebantwini, Yikhumbuleni le mini niphumé ngayo eYiputa, endlwini yobukhoboka; kuba uYehova unikhuphe kule ndawo ngesithe nkqi isandla; ize ke kungàdliwa nto inegwele.

4Lo ngumhla eniphume ngawo ngenyanga enguAbhibhi.

5Kothi, xa uYehova anifikisileyo ezweni lamaKanan, lamaHiti, lama-Amori, lamaHivi, lamaYebhusi, awalifungela ooyihlo ukubanika, izwe elibaleka amasi nobusi, ukhonze ngale nkonzo kule nyanga:

6nidle izonka ezingenagwele iintsuku ezisixhenxe; ke usuku lwesixhenxe lungumthendeleko kuYehova;

© 1975 Bible Society of South Africa.

7izonka ezingenagwele zodliwa iintsuku ezisixhenxe; kungàbonwa kuwe nto
inegwele, kungàbonwa gwele kuwe emideni yakho yonke.

8Uze umxelele unyana wakho ngaloo mini, uthi, Ndikwenza oku ngenxa yoko
uYehova wakwenzayo kum ekuphumeni kwam eYiputa;

9kuze kube ngumqondiso kuwe osesandleni sakho, ube sisikhumbuzo phakathi
kwamehlo akho, ukuze umyalelo kaYehova ube semlonyeni wakho; kuba uYehova
ukukhuphe eYiputa ngesithe nkqi isandla.

10Uze uwugcine lo mmiselo ngexesha lawo elimisiweyo imihla kamihla.

11Kothi, xa akufikisileyo uYehova ezweni lamaKanan, njengoko wafungayo kuwe
nakooyihlo, wakunika lona,

12uyidlulisele kuYehova yonke into evula isizalo, into yonke elizibulo lenkomo, oya
kuba nayo; amaduna oba ngakaYehova.

13Into yonke elizibulo le-esile wòyikhulula ngokuyimisela ngexhwane; ke ukuba uthe
akwayikhulula ngokuyimisela, woyaphula ilungu lentamo. Yonke into elizibulo
lomntu koonyana bakho, nayo woyikhulula ngokuyimisela.

14Kothi, xa unyana wakho akubuzayo ngexesha elizayo, esithi, Yintoni na le nto? uze
uthi kuye, UYehova wasikhupha eYiputa, endlwini yobukhoboka, ngesithe nkqi
isandla;

15kwathi, xa uFaro wayelukhuni ukusindulula, uYehova wawabulala onke amazibulo
ezweni laseYiputa, ethabathela kwizibulo lomntu, wesa kwizibulo lenkomo;
kungenxa yoko, le nto ndibingelela kuYehova yonke into evula isizalo eliduna,
ndiyikhùlule ngokuyimisela yonke into elizibulo koonyana bam;

16ibe ngumqondiso esandleni sakho, ibe sisikhumbuzo phakathi kwamehlo akho,
kuba uYehova wasikhupha eYiputa ngesithe nkqi isandla.

Ihambo kaSirayeli ukuya e-Etam

17Kwathi, akubandulula uFaro abantu, uThixo àkabakhokela ngendlela yelizwe
lamaFilisti, nakuba ibimfutshane yona: kuba wathi uThixo, hleze abantu bazohlwaye
bakubona imfazwe, babuyele eYiputa.

18UThixo wabazungulezisa abantu ngendlela yentlango yoLwandle oluBomvu.
Banyuka bexhobile oonyana bakaSirayeli, bevela ezweni laseYiputa.

19UMoses wawathabatha wahamba nawo amathambo kaYosefu; kuba
wayebafungisile nokubafungisa oonyana bakaSirayeli, esithi, UThixo uya kunivelela
okunene; nize niwanyuse amathambo am, emke nani kule ndawo.

20Banduluka eSukoti, balalisa e-Etam, enyeleni yentlango.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21UYehova wahamba phambi kwabo ngomqulu welifu emini, ebakhokela ngendlela;
ngomqulu womlilo ebusuku, ebakhanyisela, ukuze bahambe imini nobusuku.

22Awusukanga umqulu welifu emini, nomqulu womlilo ebusuku, phambi kwabantu.

IEksodus 14

Ukuwela uLwandle oluBomvu

1Wathetha uYehova kuMoses, wathi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli ukuba bajike, bamise iintente phambi kwePi-hahiroti,
phakathi kweMigdoli nolwandle, phambi kweBhahali-tsefon, malunga nayo, nimise
ngaselwandle.

3Úya kuthi uFaro ngoonyana bakaSirayeli, Badidekile ezweni, intlango ibavingcele.

4Ndoyenza lukhuni intliziyo kaFaro, abasukele, ndizukiseke ngoFaro nangempi yakhe
yonke, azi amaYiputa ukuba ndinguYehova. Benjenjalo ke.

5Waxelelwa ukumkani waseYiputa, ukuba abantu babalekile; yaba yeyimbi intliziyo
kaFaro neyabakhonzi bakhe kubantu, bathi, Siyenzéle ntoni na le nto, yokusuka
simndulule uSirayeli ekusikhonzeni?

6Wayibopha inqwelo yakhe yokulwa, wabathabatha abantu bakhe, bahamba naye.

7Wathabatha amakhulu omathandathu eenqwelo zokulwa ezikhethiweyo,
neenqwelo zonke zokulwa zaseYiputa, nabaphathi-mikhosi phezu kwazo zonke
ziphela.

8UYehova wayenza lukhuni ke intliziyo kaFaro ukumkani waseYiputa, wabasukela
oonyana bakaSirayeli, baye oonyana bakaSirayeli bephume ngesandla
esiphakamileyo.

9AmaYiputa abasukela, enamahashe onke eenqwelo zokulwa kaFaro, nakhwelwayo
akhe, nempi yakhe, afika kubo bemise iintente ngaselwandle, ngasePi-hahiroti
phambi kweBhahali-tsefon.

10Wasondela uFaro. Bawaphakamisa amehlo abo oonyana bakaSirayeli, nango
amaYiputa efake emva kwabo. Boyika kunene, bakhala oonyana bakaSirayeli
kuYehova.

11Bathi kuMoses, kungokuba bekungekho mangcwaba na eYiputa, le nto
usithabathileyo ukuba sifele entlango apha? Yini na ukuba usenze into enje,
usikhuphe eYiputa?

12Asililo na eli ilizwi ebesilithetha kuwe eYiputa, sisithi, Siyeke, siwakhonze
amaYiputa? Kuba kube kusilungele kanye ukuba sikhonze amaYiputa, kunokuba
sifele entlango apha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wathi uMoses ebantwini, Musani ukoyika; misani, nilubone usindiso lukaYehova
aya kunenzela lona namhla; kuba amaYiputa lawo niwabonileyo namhlanje, anisayi
kuphinda niwabone naphakade.

14UYehova uya kunilwela, ke nina niya kuthi cwaka.

15Wathi uYehova kuMoses, Yini na ukuba ukhale kum? Thetha koonyana
bakaSirayeli, banduluke.

16Ke wena, phakamisa intonga yakho, wolule isandla sakho phezu kolwandle,
ulwahlule, bahambe oonyana bakaSirayeli phakathi kolwandle, emhlabeni
owomileyo.

17Mna ke, yabona, ndiya kuzenza lukhuni iintliziyo zamaYiputa, angene emva kwabo,
ndizukiseke ngoFaro, nangempi yakhe yonke, ngeenqwelo zakhe zokulwa,
nangabamahashe bakhe;

18azi amaYiputa ukuba ndinguYehova, ekuzukisekeni kwam ngoFaro nangeenqwelo
zakhe zokulwa nangabamahashe bakhe.

19Sesuka isithunywa sikaThixo, esibe sihamba phambi kwemfuduka yamaSirayeli,
sahamba emva kwayo. Wesuka umqulu welifu phambi kwayo, wema emva kwayo;

20wathi zinzi phakathi kwempi yamaYiputa, nemfuduka yamaSirayeli. Kwabakho ilifu
nobumnyama kumaYiputa, labukhanyisela ubusuku kumaSirayeli; àkasondelana
ubusuku bonke.

21UMoses wasolula isandla sakhe phezu kolwandle, walumkisa uYehova ulwandle
ngomoya wasempumalanga onamandla, bonke obo busuku, walwenza umhlaba
owomileyo ulwandle, ahlulelana amanzi.

22Bangena oonyana bakaSirayeli elwandle phakathi, kowomileyo; asuka amanzi aba
ludonga ngasekunene nangasekhohlo.

23Asukela amaYiputa, angena emva kwabo elwandle phakathi, enamahashe onke
kaFaro, neenqwelo zakhe zokulwa, nabamahashe bakhe.

24Kwathi ngomlindo wokusa, uYehova waqondela empini yamaYiputa esemqulwini
womlilo nelifu; wayidubaduba impi yamaYiputa.

25Wayidonyula imilenze yeenqwelo zawo zokulwa, aziqhuba nzima. Athi amaYiputa,
Masisabe phambi kwamaSirayeli, kuba uYehova uyawalwela, esilwa namaYiputa.

26Wathi uYehova kuMoses, Yolula isandla sakho phezu kolwandle, amanzi abuyele
phezu kwamaYiputa, phezu kweenqwelo zawo zokulwa, naphezu kwabamahashe
bawo.

27Wasolula uMoses isandla sakhe phezu kolwandle, ulwandle lwabuyela ebumeni
balo, ukuthi qhiphu kokusa; asaba amaYiputa asinga kulo. UYehova wawavuthululela
amaYiputa phakathi elwandle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Abuya amanzi, azigubungela iingqwelo zokulwa, nabamahashe, nempi yonke kaFaro eyayingene emva kwawo elwandle; akwasala noko amnye kuwo.

29Bona oonyana bakaSirayeli bahamba emhlabeni owomileyo phakathi elwandle; asuka amanzi aba ludonga ngasekunene nangasekhohlo.

30Wawasindisa uYehova ngaloo mini amaSirayeli esandleni samaYiputa; amaSirayeli awabona amaYiputa efile elunxwemeni lolwandle.

31Asibona amaSirayeli isandla esikhulu asibonakalalisileyo uYehova kumaYiputa. Bamoyika abantu uYehova, bakholwa nguYehova, nanguMoses umkhonzi wakhe.

IEksodus 15

Ingoma kaMoses

1Waza uMoses wahlabela le ngoma kuYehova, enoonyana bakaSirayeli, batsho ukuthi: Ndiya kuhlabela kuYehova, kuba enobungangamsha obukhulu, Ihashe nomkhweli walo ulizulumbele elwandle.

2Uqhayiya lam, ungoma yam nguYehova; Waba lusindiso kum. UloThixo wam endimzukisayo, UThixo kabawo endimphakamisayo.

3UYehova yindoda elwayo, UYehova ligama lakhe.

4Iinqwelo zokulwa zikaFaro nempi yakhe waziphosa elwandle; Abahleliweyo kubaphathi-mikhosi bakhe batshoniswe eLwandle oluBomvu.

5Amanzi enzonzobila abagubungele. Behlela ezinzulwini njengelitye.

6Isandla sakho sokunene, Yehova, sivethe amandla; Isandla sakho sokunene, Yehova, sivikiva utshaba.

7Ngobukhulu bobungangamsha bakho ubagungxule abachasi bakho; Ukhupha ukuvutha kwakho, kubadle bona njengeendiza.

8Ngokufutha kwamathatha akho afunjwa amanzi, Yema njengemfumba imiqukuqela. Ajiya amanzi enzonzobila embilinini yolwandle.

9Lwathi utshaba, Ndiyasukela, ndiyafumana, Ndaba ixhoba, umxhelo wam uyazanelisa kubo; Ndirhola ikrele lam, síya kubagqogqa isandla sam.

10Wafutha ngomoya wakho, lwabagubungela ulwandle; Bazulumbeka njengelothe emanzini angangamsha.

11Ngubani na onjengawe phakathi koothixo, Yehova? Ngubani na onjengawe, wena uvethe ubungcwele, Woyikekayo ezindumisweni, wenzayo ngokubalulekileyo?

12Wòlula isandla sakho sokunene, Umhlaba uyabaginya.

13Uyabakhokela ngenceba yakho abantu aba ubahlawuleleyo, ubakhululeyo. Ngoqilima lwakho ubathundezela ekhayeni lakho elingcwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

14Zivile izizwe, ziyangqunga, Abemi baseFilisti babanjwe kukuzibhijabhija,

15Zaza zakhwankqa izikhulu zakwaEdom; Iinjengele zakwaMowabhi zabanjwa kukuthuthumela, Bathá amandla bonke abemi belakwaKanan.

16Bawelwa kukudenga nakukunkwantya, Ngenxa yobukhulu bengalo yakho bathi cwaka njengelitye, Bade badlule abantu bakho, Yehova, Bade badlule abo bantu ubazuzileyo.

17Uya kubangenisa, ubatyale entabeni yelifa lakho, Endaweni oyenzele ukuba uhlale kuyo, Yehova, Engcweleni eziyilungisileyo izandla zakho.

18UYehova uya kuba ngukumkani ngonaphakade kanaphakade.

19Kuba langena elwandle ihashe likaFaro nenqwelo yakhe yokulwa, nabamahashe bakhe. UYehova wawabuyisela phezu kwabo amanzi olwandle; ke bona oonyana bakaSirayeli bahamba kowomileyo, phakathi elwandle.

Ingoma kaMiriyam

20UMiriyam umprofetikazi, udade boAron, wathabatha ingqongqo ngesandla sakhe; aphuma onke amankazana emva kwakhe, eneengqongqo engqungqa.

21Wawaphendula uMiriyam wathi, Vumani keYehova, kuba enobungangamsha obukhulu; Ihashe nomkhweli walo ulizulumbele elwandle.

Ihambo yokuya eMara nase-Elim

22UMoses wawandulula amaSirayeli, emka eLwandle oluBomvu, aphuma aya entlango yaseShure; ahamba iintsuku zantathu entlango, akafumana manzi.

23Afika eMara, akaba nakuwasela amanzi aseMara, kuba ayekrakra; ngenxa yoko igama laloo ndawo kwathiwa yiMara.

24Abantu bamkrokrela uMoses, besithi, Siya kusela ntoni na? Wadanduluka kuYehova.

25UYehova wambonisa umthi; wawuphosa emanzini, aba mnandi amanzi. Khona apho wabamisela ummiselo nesiko, khona apho wabavavanya.

26Wathi, Ukuba ùthe waliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho, wenza okuthe tye phambi kwakhe, wayibekela indlebe imithetho yakhe, wayigcina yonke imimiselo yakhe: andiyi kubeka nasinye isifo phezu kwakho endisibekileyo phezu kwamaYiputa; kuba ndinguYehova, igqirha lakho.

27Bafika e-Elim, apho kwaye kukho imithombo yamanzi elishumi elinamibini, nemithi yesundu engamashumi osixhenxe, bazimisa iintente khona ngasemanzini.

IEksodus 16

AmaSirayeli ayakrokra entlango; athunyelwa imana

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Lonke ibandla loonyana bakaSirayeli landuluka e-Elim, lafika entlango yaseSin, ephakathi kwe-Elim, neSinayi, ngosuku lweshumi elinesihlanu lwenyanga yesibini yokuphuma kwabo ezweni laseYiputa.

2Labakrokrela ooMoses noAron lonke ibandla loonyana bakaSirayeli entlango apho.

3Bathi oonyana bakaSirayeli kubo, Akwaba besife sisandla sikaYehova ezweni laseYiputa, xa sasihleli ngasezimbizeni zenyama, sisidla isonka sada sahlutha; ngokuba nisikhuphele kule ntlango, ukuze nisibhubhise sonke esi sikhungu ngendlala.

4Wathi uYehova kuMoses, Uyabona, ndiya kuninisela isonka sivela ezulwini; baphume abantu, babuthe isabelo semini esilingene imini, ukuze ndibalinge ukuba bohamba ngomyalelo wam, abayi kuhamba ngawo, kusini na.

5Kothi ngemini yesithandathu, balungise oko bakuzisileyo; koba ngumlinganiselo ophindwe kabini kunoko bathe bakubutha imihla ngemihla.

6Wathi uMoses noAron koonyana bakaSirayeli bonke, Ngokuhlwa niya kwazi ukuba nguYehova owanikhuphayo ezweni laseYiputa;

7kusasa niya kububona ubuqaqawuli bukaYehova, ekubeni ekuvile ukumkrokrela kwenu uYehova. Thina besingoobani na ukuba nisikrokrele?

8Wathi uMoses, Niya kububona ekuthini uYehova aninike inyama ngokuhlwa, nidle isonka kusasa, nihluthe; ekubeni uYehova ekuvile ukukroka kwenu enimkrokrela ngako. Ke thina singoobani na? Anikrokreli thina, nikrokrela uYehova.

9Wathi uMoses kuAron, Yithi kwibandla lonke loonyana bakaSirayeli, Sondelani phambi koYehova; kuba ukuvile ukukrokra kwenu.

10Ke kaloku, xa wayethetha uAron kwibandla lonke loonyana bakaSirayeli, bakhangela entlango, nâbo ubuqaqawuli bukaYehova bubonakala efini.

11Wathetha uYehova kuMoses, wathi,

12Ndikuvile ukukrokra koonyana bakaSirayeli. Thetha nabo uthi, Lakutshona ilanga nodla inyama, kusasa nohlutha sisonka; nazi ukuba ndinguYehova uThixo wenu.

13Kwathi ngokuhlwa zenyuka izagwityi, zayigubungela iminquba yonke; kusasa kwabakho umbethe olele ngeenxa zonke eminqubeni.

14Wenyuka umbethe obulele, nanko kukho phezu komhlaba entlango intwana apha ecolekileyo, ejiyileyo, encinanana njengeqabaka emhlabeni.

15Bayibona oonyana bakaSirayeli, bathi omnye komnye, Yintoni? Kuba babengazi ukuba yintoni na. Wathi uMoses kubo, Sesi sonka aninika sona uYehova, ukuba sibe kukudla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Le yiloo nto wawisa umthetho ngayo uYehova, wathi, Buthani yona, elowo ngangokudla kwakhe, ihomere ngentloko yomntu, ngokwenani labantu, elowo athabathele abasententeni yakhe.

17Benjenjalo oonyana bakaSirayeli; babutha omnye kakhulu, omnye kancinane.

18Balinganisela ngehomere; akagqithisa obúthe kakhulu; akasilela obuthe kancinane; babutha elowo ngangokudla kwakhe.

19Wathi kubo uMoses, Umntu makangabeki mbeko.

20Abamphulaphulanga uMoses. Inxenye yayibeka umbeko; yabola, yaba neempethu, yanuka. UMoses waba noburhalarhume kubo.

21Bayibutha imiso ngemiso, elowo ngangokudla kwakhe; lathi lakufudumala ilanga yanyibilika.

22Kwathi ngemini yesithandathu, babutha isonka semihla emibini, iihomere ezimbini mntwini mnye. Zangena zonke izikhulu zebandla, zamxelela uMoses.

23Wathi kuzo, Yiyo loo nto ayithethileyo uYehova, Ngomso luphumlo; yisabatha engcwele kuYehova; yosani enikosayo, phekani enikuphekayo, zibekeleni yonke into eseleyo, igcinwe kude kuse.

24Bayibeka ke kwada kwasa, njengoko uMoses wabawisela umthetho; àyanuka, akwabakho mpethu kuyo.

25Wathi uMoses Yidleni namhla; kuba namhla yisabatha kuYehova; namhla aniyi kuyifumana endle.

26Noyibutha imihla emithandathu; ngomhla wesixhenxe yisabatha; ayi kubakho ngawo.

27Kuthe ngomhla wesixhenxe, kwaphuma inxenye yabantu, yaya kubutha, ayafumana nto.

28Wathi uYehova kuMoses, Kuya kuda kube nini na, ningavumi ukuyigcina imithetho yam nemiyalelo yam?

29Niyabona ke, uYehova uninike isabatha; kungenxa yoko athe ngomhla wesithandathu waninika isonka semihla emibini. Hlalani elowo endaweni yakhe; makungaphumi mntu endaweni yakhe ngomhla wesixhenxe.

30Baye bephumla ke abantu ngomhla wesixhenxe.

31Indlu kaSirayeli yathi igama lale nto yimana. Yayinjengembewu yekoriyandire, imhlophe, isongo sayo sinjengezonkana ezinobusi.

32Wathi uMoses, Nantsi into awise umthetho ngayo uYehova: zalisani ihomere ngayo, igcinelwe izizukulwana zenu, ukuze zisibone isonka endinidlise sona entlango, ekunikhupheni ezweni laseYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Wathi uMoses kuAron, Thabatha isitya sibe sinye, ugalele ihomere kuso sizale yimana, uyibeke phambi koYehova, igcinelwe izizukulwana zenu;

34igcinwe njengoko uYehova wamwisela uMoses umthetho ngako. Wayibeka uAron phambi kwesingqino, ukuba igcinwe.

35Bayidla oonyana bakaSirayeli imana iminyaka emashumi mané, bada bafika ezweni elimiweyo; bayidla imana bada bafika emdeni welizwe lakwaKanan.

36Ke ihomere isisahlulo seshumi se-efa.

IEksodus 17

UMoses ubetha iliwa kuphume amanzi

1Landuluka lonke ibandla loonyana bakaSirayeli entlango yaseSin ngokweehambo zabo, ngelizwi likaYehova; bazimisa iintente eRefidim. Akwabakho manzi okuselwa ngabantu.

2Babambana abantu noMoses, bathi, Sínike amanzi, sisele. Wathi uMoses kubo, Yini na ukuba nibambane nam? Yini na ukuba nimlinge uYehova?

3Banxanelwa amanzi apho abantu; abantu bamkrokrela uMoses, bathi, Yini na ukuba usinyuse siphume eYiputa, nosapho lwethu, nemfuyo yethu, uze kusibhubhisa ngenxano?

4UMoses wadanduluka kuYehova, esithi, Ndiya kubathini na aba bantu? Sekukancinane ukuba bandixulube ngamatye.

5Wathi uYehova kuMoses, Gqithela phambi kwabantu, uthabathe amadoda amakhulu akwaSirayeli abe nawe; uthi nentonga yakho, owawubetha ngayo umlambo, uyiphathe esandleni sakho, uhambe.

6Yabona, ndiya kuma phambi kwakho khona, phezu kweliwa eHorebhe; uze ulibethe iliwa; kophuma amanzi kulo, basele abantu. Wenjenjalo ke uMoses phambi kwawo amadoda amakhulu akwaSirayeli.

7Wathi igama laloo ndawo yiMasa neMeribha, ngenxa yokubambana koonyana bakaSirayeli, nangenxa yokumlinga kwabo uYehova, besithi, UYehova ukho na phakathi kwethu, akakho, kusini na?

AmaSirayeli achaswa nguAmaleki eRefidim

8UAmaleki weza, walwa noSirayeli eRefidim.

9Wathi uMoses kuYoshuwa, Sihlelele amadoda; uze wena uphume ulwe noAmaleki; mna ngomso ndiya kuma encotsheni yenduli, intonga kaThixo isesandleni sam. Wenza uYoshuwa njengoko wathethayo uMoses kuye, walwa noAmaleki;

10bona ooMoses na-Aron noHure benyuka baya encotsheni yenduli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Kwathi, xa aziphakamisileyo uMoses izandla, kweyisa uSirayeli; kwathi xa azihlisileyo izandla, kweyisa uAmaleki.

12Izandla zikaMoses zadinwa. Bathabatha ilitye, balibeka phantsi kwakhe, wahlala kulo; bathi ooAron noHure bazixhasa izandla zakhe, omnye engapha, nomnye engaphaya. Zazimaseka izandla zakhe, lada ilanga latshona.

13UYoshuwa wamchitha uAmaleki nabantu bakowabo ngohlangothi lwekrele.

14Wathi uYehova kuMoses, Kubhale oku kube sisikhumbuzo encwadini, ukuthethe ezindlebeni zikaYoshuwa; ngokuba ndiya kusicima impela isikhumbuzo sika-Amaleki phantsi kwamazulu.

15UMoses wákha isibingelelo, wathi igama laso nguYehova-ibhanileyam.

16Wathi, Isandla siphakanyiselwe etroneni kaYehova, ukuba uYehova uya kulwa imfazwe noAmaleki isizukulwana ngesizukulwana.

IEksodus 18

UYitro uhambela kuMoses; uyamcebisa

1UYitro, umbingeleli wakwaMidiyan, uyise womkaMoses, wayiva yonke into uThixo abeyenzele uMoses, namaSirayeli abantu bakhe, ukuba uYehova uwakhuphile amaSirayeli eYiputa.

2UYitro, uyise womkaMoses, wamthabatha uTsipora, umkaMoses, emveni kokuba ebemndulule,

3noonyana bakhe bobabini; igama lomnye lalinguGershom, kuba wathi, Bendingumphambukeli ezweni lolunye uhlanga;

4igama lomnye lalinguEliyezere, kuba wathi, UThixo kabawo ubengumncedi wam, wandihlangula ekreleni likaFaro.

5UYitro, uyise womkaMoses, weza ke noonyana bakhe nomkakhe, kuMoses entlango, apho wayemise khona intente, entabeni kaThixo.

6Wathi kuMoses, Mna Yitro, únguyihlo, ndizé kuwe, ndinomkakho enoonyana bakhe bobabini.

7Waphuma uMoses, waya kumkhawulela uyise womkakhe, waqubuda, wamanga; babuzana impilo, bangena ententeni.

8UMoses wambalisela uyise womkakhe yonke into uYehova abeyenzile kuFaro nakumaYiputa ngenxa kaSirayeli; nenkxamleko yonke abayifumanáyo endleleni, nokuhlangulwa kwabo nguYehova.

9Wavuya uYitro akukuva konke ukulunga abekwenzile uYehova kuSirayeli, ngokumhlangula esandleni samaYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Wathi uYitro, Makabongwe uYehova owanihlangulayo esandleni samaYiputa, nasesandleni sikaFaro; owabahlangulayo abantu, baphuma phantsi kwesandla samaYiputa.

11Ngoku ndiyazi ukuba uYehova mkhulu koothixo bonke; ewe, kwakuloo nto amaYiputa abewakhukhumalele ngayo amaSirayeli.

12UYitro, uyise womkaMoses, wamthabathela uThixo idini elinyukayo nemibingelelo; weza uAron namadoda amakhulu onke akwaSirayeli, esiza kudla isonka noyise womkaMoses phambi koThixo.

13Kwathi ngengomso, uMoses wahlala wathetha amatyala abantu; abantu baxhontela kuMoses, kususela kusasa kwada kwangokuhlwa.

14Wayibona uyise womkaMoses yonke into abeyenza ebantwini, wathi, Iyintoni na le nto uyenzayo ebantwini? Kungani na, le nto uhlala wedwa, bathi bona bonke abantu baxhontele kuwe, kususela kusasa kude kuhlwe?

15Wathi uMoses kuyise womkakhe, Kungokuba abantu besiza kum ukuba ndibacelele icebo kuThixo;

16xa banendawo, beza kum ukuba ndigwebe phakathi komntu nommelwane wakhe, ndibazíse imimiselo kaThixo nemiyalelo yakhe.

17Wathi uyise womkaMoses kuye, Ayilungile le nto uyenzayo.

18Uya kuzigqiba uphele amandla, naba bantu unabo; kuba lo msebenzi unzima kuwe, akunakuwenza wedwa.

19Phulaphula ngoko izwi lam, ndikuphe iqhinga; uThixo woba nawe. Wena yiba ngumlomo wabantu kuThixo, uzise izinto zabo kuThixo;

20ubafundise imimiselo nemiyalelo, ubazise indlela abaya kuhamba ngayo, nomsebenzi abaya kuwenza.

21Uze uzikhangelele ebantwini bonke amadoda anobunkunkqele ekuthetheni amatyala, amoyikayo uThixo, amadoda anyanisileyo, ayithiyileyo inzuzo embi, uwamise phezu kwabo, abe ngabathetheli-waka, nabathethelikhulu, nabathetheli bamashumi ngamahlanu, nabathetheli bamashumi ngamanye;

22bathethe amatyala abantu ngamaxesha onke; zithi izinto zonke ezinkulu bazizise kuwe; zonke ezincinane bazigwebe bona, ukuze kube lula kuwe, bakuthwalise.

23Ukuba ùthe wayenza loo nto, waza wakuwisela umthetho uThixo, wòba nako ukuma, bathi naba bantu bonke bafike endaweni yabo benoxolo.

24UMoses waliphulaphula izwi loyise womkakhe, wayenza into yonke abeyithethile.

25UMoses wanyula amadoda anobunkunkqele ekuthetheni amatyala kuwo onke amaSirayeli, wawenza iintloko phezu kwabantu, aba ngabathetheliwaka,

© 1975 Bible Society of South Africa.

nabathetheli-khulu, nabathetheli bamashumi ngamahlanu, nabathetheli bamashumi ngamanye.

26Bathetha amatyala abantu ngamaxesha onke; izinto ezinqabileyo bazizisa kuMoses, zonke ezincinane bazigweba bona.

27UMoses wamndulula uyise womkakhe, waya elizweni lakowabo.

IEksodus 19

AmaSirayeli afika eSinayi; amalungiselelo okunikwa komthetho

1Ngenyanga yesithathu emveni kokuphuma koonyana bakaSirayeli ezweni laseYiputa, ngayo loo mini, bafika entlango yaseSinayi.

2Banduluka eRefidim, bafika entlango yaseSinayi, balalisa entlango; amisa iintente apho amaSirayeli malunga nentaba.

3UMoses wenyuka waya kuThixo, uYehova wadanduluka kuye esentabeni apho, wathi, Yitsho kwindlu kaYakobi, uxelele oonyana bakaSirayeli ukuthi,

4Nina niyibonile into endiyenzileyo kumaYiputa, ukuba ndanithwala ngamaphiko okhozi, ndanizisa kum.

5Ngoku ke, ukuba nithe naliphulaphula okunene izwi lam, nawugcina umnqophiso wam, noba yinqobo kum kwizizwe zonke, kuba ihlabathi lonke lelam;

6nibe bubukumkani bababingeleli kum, nohlanga olungcwele. Ngawo lawo amazwi oya kuwathetha koonyana bakaSirayeli.

7Weza uMoses, wawabiza amadoda amakhulu abantu, wabeka phambi kwawo onke amazwi uYehova awamwisela umthetho ngawo.

8Baphendula bonke abantu ngamxhelo mnye, bathi, Konke akuthethileyo uYehova sokwenza. UMoses wayixelela uYehova intetho yabantu.

9Wathi uYehova kuMoses, Yabona, ndiyeza kuwe ndiselifini elingqingqwa, ukuze beve abantu ekuthetheni kwam nawe, bakholwe kuwe ngonaphakade. Wawaxela ke uMoses amazwi abantu kuYehova.

10Wathi uYehova kuMoses, Yiya ebantwini, ubangcwalise namhla nangomso, bazihlambe iingubo zabo, balunge ngomhla wesithathu;

11kuba ngomhla wesithathu úya kuhla uYehova phezu kwentaba yeSinayi, emehlweni abantu bonke;

12ubàmisele abantu imida ngeenxa zonke, uthi kubo, Zigcineni ningenyukeli entabeni, ningawachukumisi amazantsi ayo; osukuba eyichukumisa intaba wobulawa afe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Makungafiki sandla kuye; makaxulutywe ngamatye mpela, athi mhlawumbi atolwe nokutolwa; nokuba yinto ezizitho ziné, nokuba ngumntu, akayi kuphila. Sakolula isandi sesigodlo ukuhlokoma, bangányuka entabeni bona.

14Wehla uMoses entabeni, waya ebantwini, wabangcwalisa abantu; bazihlamba iingubo zabo.

15Wathi ebantwini, Ize nizilungiselele umhla wesithathu, ningasondeli ebafazini.

16Kwathi ngomhla wesithathu, kwakusa, kwabakho iindudumo, nemibane, nelifu elinzima phezu kwentaba, nesandi sesigodlo esomeleleyo kunene; bagubha bonke abantu abaseminqubeni.

17UMoses wabakhupha abantu eminqubeni, baya kumkhawulela uThixo; bema emazantsi entaba.

18Intaba yeSinayi yaba ngumsi yonke iphela, kuba uYehova wehla phezu kwayo esemlilweni. Umsi wayo wenyuka njengomsi weziko lemfutho; yanyikima kunene yonke intaba.

19Kwabakho isandi sesigodlo esaya sisomelela kakhulu; wathetha uMoses, uThixo wamphendula ngesandi.

20Wehla ke uYehova phezu kwentaba yeSinayi, encotsheni yentaba; uYehova wambizela uMoses encotsheni yentaba leyo; wenyuka ke uMoses.

21Wathi uYehova kuMoses, Yihla, ubaqonononondise abantu, hleze batyhobozele kuYehova, bakhangele, kwenzakale into eninzi kubo.

22Kananjalo ababingeleleli abasondelayo kuYehova, mabazingcwalise, hleze uYehova ababhubhise.

23Wathi uMoses kuYehova, Abantu abanakunyuka, baye entabeni yeSinayi; kuba wena wasiqonononondisa wathi, Yimisele imida intaba, uyingcwalise.

24Wathi uYehova kuye, Hamba uhle, uze unyuke wena ninoAron; ke ababingeleli nabantu mabangatyhobozi benyuke beze kuYehova, hleze ababhubhise.

25Wehla ke uMoses, waya ebantwini, watsho kubo.

IEksodus 20

Imithetho elishumi

1UThixo wawathetha ke onke la mazwi, wathi:

2NdinguYehova, uThixo wakho, owakukhupha ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka.

3Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Uze ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo, nokuba ngowayiphi na into emilise esezulwini phezulu, nesemhlabeni phantsi, nesemanzini aphantsi komhlaba.

5Uze ungaqubudi kwezo nto, ungazikhonzi: kuba mna, Yehova Thixo wakho, ndinguThixo onekhwele, ndibuvelela ubugwenxa booyise koonyana, kwesesithathu nakwesesiné isizukulwana sabandithiyileyo;

6ndiwenzela inceba amawaka abandithandayo, abayigcinayo imithetho yam.

7Uze ungafumane ulibize igama likaYehova uThixo wakho; kuba uYehova akayi kumenza omsulwa ofumana alibize igama lakhe.

8Khumbula umhla wesabatha, ukuba uwungcwalise.

9Wosebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho;

10ke wona umhla wesixhenxe uyisabatha kaYehova uThixo wakho. Uze ungenzi namnye umsebenzi ngawo, wena, nonyana wakho, nentombi yakho, nesicaka sakho, nesicakakazi sakho, nezinto zakho ezizitho ziné, nowasemzini osemasangweni akho:

11kuba ngemihla emithandathu uYehova wênza izulu, nomhlaba, nolwandle, neento zonke ezikwezo zinto, waphumla ngomhla wesixhenxe; ngenxa yoko uYehova wawusikelela umhla wesabatha, wawungcwalisa.

12Beka uyihlo nonyoko, ukuze yolulwe imihla yakho emhlabeni akunika wona uYehova uThixo wakho.

13Uze ungabulali.

14Uze ungakrexezi.

15Uze ungebi.

16Uze ungangqini ubungqina obubuxoki ngommelwane wakho.

17Uze ungawunqweneli umzi wommelwane wakho. Uze ungamnqweneli umfazi wommelwane wakho, nesicaka sakhe, nesicakakazi sakhe, nenkomo yakhe, ne-esile lakhe, nanye into eyeyommelwane wakho.

18Bonke abantu bazibona iindudumo nemibane, nesandi sesigodlo, nentaba ingumsi. Abantu babona ke bangcangacazela, bamela kude.

19Bathi kuMoses, Thetha wena nathi, siya kuva; makangathethi nathi uThixo, hleze sife.

20Wathi uMoses ebantwini, Musani ukoyika; kuba uThixo uze kunilinga, ukuba kubekho ukumoyika ebusweni benu, ukuze ningoni.

21Abantu bamela kude; wasondela uMoses esithokothokweni abekuso uThixo.

Imithetho nemimiselo eyahlukahlukeneyo

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Wathi uYehova kuMoses, Wòtsho koonyana bakaSirayeli, ukuthi, Nibonile nina, ukuba ndithethé nani ndisemazulwini.

23Ize ningenzi oothixo bokunxulumana nam, ningazenzeli oothixo besilivere, noothixo begolide.

24Uze undenzele isibingelelo somhlaba, ubingelele phezu kwaso amadini akho anyukayo, nemibingelelo yakho yoxolo, impahla yakho emfutshane neenkomo zakho. Ndoza kuwe ndikusikelele ezindaweni zonke endomisa kuzo isikhumbuzo segama lam.

25Ke ukuba ùthe wandenzela isibingelelo samatye, uze ungasakhi ngamatye aqingqiweyo; okanye ukuba uthe wayiphakamisa intlabo yakho phezu kwaso, wòba usihlambele.

26Uze ungenyuki ngezinyuko esibingelelweni sam, ukuze bungatyhileki ubuzé bakho kuso.

IEksodus 21

Imithetho nemimiselo eyahlukahlukeneyo

1Ngawo la amasiko oya kuwabeka phambi kwabo:

2Xa uthe wazuza ikhoboka elingumHebhere, lókhonza iminyaka ibe mithandathu; lithi kowesixhenxe liphume likhululekile, lingahlawulelwanga.

3Ukuba lithe leza lodwa, lophuma lodwa; ukuba belithe leza liyindoda enomfazi, umkalo wophuma nalo.

4Ukuba ke inkosi yalo ithe yalizekela umfazi, walizalela oonyana, nokuba ziintombi: umfazi lowo nabantwana balo boba ngabenkosi yalo, liphume lona lodwa.

5Ukuba lithe eli khoboka, Ndiyayithanda inkosi yam, nomkam, nabantwana bam, andiyi kuphuma ndikhululekile:

6inkosi yalo leyo yolisondeza kuThixo, ilisondeze elucangweni, nokuba kusemgubasini, ilithumbuse indlebe ngenyatyhowa inkosi yalo, liyikhonze ngonaphakade.

7Xa ke umntu athe wathengisa ngentombi yakhe, yaba likhobokazana, mayingaphumi ngokokuphuma kwamakhoboka lawo.

8Ke ukuba ithe ayayikholisa inkosi yayo, ebizimisele yona, yoyivumela ukuba ikhululwe ngentlawulelo; ke ayiyi kuba nagunya lakuthengisa ngayo kubantu bolunye uhlanga, ukuba iyitshìnizele.

9Ukuba ithe yayimisela unyana wayo, yothi iyenze ngokwesiko leentombi zonke.

10Ukuba ithe yamzekela omnye umfazi, mayingakunciphisi ukudla kwayo, nezambatho zayo, nokubalelwa kwayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ukuba ayithanga izenze ezo zinto zontathu, mayiphume ingahlawulelwanga mali.

12Othe wabetha umntu wafa, naye wobulawa afe.

13Ke lowo ubengenanzondo, yanguThixo omqubisanise nesandla sakhe, ndokumisela indawo aya kusabela kuyo.

14Xa ke umntu athe wagabadela ngakummelwane wakhe, wambulala ngobuqhopholo: uze umsuse nasesibingelelweni sam, afe.

15Othe wabetha uyise, nokuba ngunina, wobulawa afe.

16Othe weba umntu, nokuba uthengise ngaye, nokuba ufunyenwe esandleni sakhe, wobulawa afe.

17Othe watshabhisa uyise, nokuba ngunina, wobulawa afe.

18Xa athe abambana amadoda, yaza enye yambetha ummelwane wakhe ngelitye, nokuba kungengqindi, àkafa, wesuka walala ngendlu:

19ukuba uthe wavuka, wahamba phandle esimelela: mayingabi natyala leyo yambethayo, kodwa yomnika indleko yexesha lakhe, imphilise aphile.

20Xa athe umntu wabetha isicaka sakhe, nokuba sisicakakazi sakhe ngentonga, safa ngesandla sakhe: sophindezelwa ngenene.

21Kodwa ukuba sithe sahlala, àsafa, usuku nokuba ziintsuku: makungaphindezelwa; kuba siyimali yakhe.

22Xa athe amadoda abambana ngezihlwitha, agila umfazi emithi, waphuma isisu, akwenzakala nto noko: makahlawuliswe ngenene umfo lowo, njengoko iya kubeka phezu kwakhe indoda yaloo mfazi, arhole ngokwelizwi labahluli.

23Ukuba uthe wenzakala, ùze urhole umphefumlo ngomphefumlo,

24iliso ngeliso, izinyo ngezinyo, isandla ngesandla, unyawo ngonyawo,

25ukutshiswa ngokutshiswa, inxeba ngenxeba, umvumbo ngomvumbo.

26Xa athe umntu wasibetha esweni isicaka sakhe, nokuba uthe wasibetha esweni isicakakazi sakhe, latyhaphaka: makasindulule sikhululekile ngenxa yeliso laso.

27Ukuba uthe wakhumla izinyo lesicaka sakhe, nokuba lelesicakakazi sakhe: makasindulule sikhululekile ngenxa yezinyo laso.

28Ke xa inkomo ithe yahlaba indoda, nokuba yinkazana, yafa: loo nkomo mayigityiselwe ngamatye, ingàdliwa inyama yayo; umnininkomo woba msulwa.

29Ke ukuba inkomo leyo ibihlaba kakade, waza wazíswa umniniyo, àkayigcina noko, yaza yabulala indoda, nokuba yinkazana: mayigityiselwe ngamatye inkomo leyo, kananjalo nomniniyo makabulawe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Ukuba uthe wamiselwa intlawulo yokuzicamagushela, makayirhole akhulule umphefumlo wakhe, ngako konke akumiselweyo.

31Nokuba ihlabé unyana, nokuba ihlabé intombi, makwenziwe kuye ngelo siko.

32Ukuba inkomo yakhe ithe yahlaba isicaka, nokuba sisicakakazi, makarholele inkosi yaso iishekele zesilivere ezimashumi mathathu, inkomo yona igityiselwe ngamatye.

33Xa umntu athe wavula umhadi, naxa umntu athe wemba umhadi, akawuvingca, kweyela inkomo, nokuba liesile, kuwo:

34umninimhadi woyimisela, ambuyisele umniniyo ngemali, leyo ifileyo ibe yeyakhe.

35Xa ithe inkomo yomntu yahlaba inkomo yommelwane wakhe, yafa, mabathengise ngenkomo leyo iphilileyo, bayahlule imali yayo; kananjalo mabayahlule leyo ifileyo.

36Ukuba kwakusazeka ukuba inkomo leyo ibihlaba kakade, àkayigcina umniniyo: makayimisele inkomo ngenkomo, leyo ifileyo ibe yeyakhe.

IEksodus 22

Imithetho nemimiselo eyahlukahlukeneyo

1Xa umntu athe weba inkomo, nokuba yigusha, wayixhela, mhlawumbi wathengisa ngayo: makadliwe iinkomo zibe ntlanu ngenkomo leyo, izimvu zibe né ngemvu leyo.

2Ukuba isela lithe lafunyanwa ligqobha indlu, labethawa lafa, akukho tyala lagazi kulowo.

3Ukuba liphunyelwe lilanga, lobakho ityala legazi kulowo. Loo nto maliyimisele ngokuzeleyo; ukuba alinanto, makuthengiswe ngalo ngenxa yobusela balo.

4Ukuba ithe yafunyanwa isesandleni salo, okanye iphilile, loo nto ibiweyo, nokuba yinkomo, nokuba liesile, nokuba yigusha, maliyibuyise nganto mbini.

5Xa umntu athe wadlisa intsimi, nokuba sisidiliya, wavulela iinkomo zakhe, zayidla intsimi yomnye: makamisele ngeyona nto intle yentsimi yakhe, nangeyona nto intle yesidiliya sakhe.

6Xa kuthe kwatsha umlilo, wafumanana neentango, watshisa izitha zengqolowa, nokuba yemiyo, nokuba yintsimi: lowo uwutshisileyo makazimisele ezo zinto.

7Xa athe umntu wanikela ummelwane wakhe imali, nokuba yimpahla, ukuba ayigcine, yaza yabiwa endlwini yaloo mntu: ukuba lithe lafunyanwa isela elo, maliyibuyekeze kabini.

8Ukuba lithe alafunyanwa isela: umninindlu makasondezwe kuThixo, afunge ukuba akayiphathanga impahla yommelwane wakhe lowo.

9Ngenxa yezinto zonke zokona, ngenxa yenkomo, ye-esile, yegusha, yengubo, nangenxa yezinto zonke ezidakileyo, ezifaniswayo: loo ndawo yabo bobabini yoya

© 1975 Bible Society of South Africa.

phambi koThixo; othe wagwetywa nguThixo, wombuyekeza kabini ummelwane wakhe.

10Xa athe umntu wanika ummelwane wakhe iesile, nokuba yinkomo, nokuba yigusha, nokuba yiyiphi into ezitho ziné, ukuba ayigcine; yaza yafa, mhlawumbi yaphuka, mhlawumbi yathinjwa, kungaboni bani:

11makubekho ukufunga uYehova phakathi kwabo bobabini, ukuba akayiphathanga impahla yommelwane wakhe; makamkele oko umniniyo, loo mntu angayimiseli.

12Ukuba ibiwe yabiwa ikuye, woyimisela kumniniyo.

13Ukuba iqwengiwe, woyizisa ibe lingqina; makangayimiseli into eqwengiweyo.

14Xa athe umntu waboleka inkomo kummelwane wakhe, yaza yaphuka, mhlawumbi yafa, engekho umniniyo, makayimisele.

15Ukuba ithe yenzakala ekho umniniyo, makangayimiseli; ukuba ibithe yaqeshwa, ibé ihambele ingqesho yayo.

16Xa athe umntu warhwebesha intombi engàganiweyo, walala nayo, woyilobola ibe ngumkakhe.

17Ukuba uyise wayo walile kanye ukumnika, makarhole imali njengekhazi lazo iintombi.

18Umkhafulikazi uze ungamyeki adle ubomi.

19Bonke abathe balala inkomo, mababulawe bafe.

20Obingelela kuthixo ongenguye uYehova yedwa, makasingelwe phantsi.

21Umphambukeli uze ungamxinzeleli phantsi, ungamxini; kuba naningabaphambukeli nani ezweni laseYiputa.

22Yonke into engumhlolokazi nenkedama uze ungayicinezeli.

23Ukuba ùthe wabacinezela nangayiphi na indlela, bakhala kum, ndokuva ukukhala kwabo;

24uvuthe umsindo wam, ndinibulale ngekrele; babe ngabahlokokazi abafazi benu, babe ziinkedama abantwana benu.

25Ukuba ùthe wababoleka imali abantu bam abaziintsizana abanawe, uze ungabi kubo njengomboleki-mali: uze ungababizi nzala.

26Ukuba ummelwane wakho ubambise ngengubo yakhe kuwe, wòyibuyisela kuye, lingekatshoni ilanga;

27kuba yona ikukuphela kwesigubungelo anaso, yingubo yakhe yomzimba wakhe; wólala ngantoni ke? Kothi, xa athe wakhala kum, ndive; kuba ndinenceba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28UThixo uze ungamtshabhisi, nesikhulu ebantwini bakowenu uze ungasiqalekisi.

29Indyebo yakho nencindi yemithi yakho, uze ungalibali ukundinika. Oonyana bakho bamazibulo uze undinike.

30Ùze wenjenjalo ngenkomo yakho, nangempahla yakho emfutshane: mayibe kunina iintsuku ezisixhenxe, uthi ngosuku lwesibhozo undinike.

31Nòba ngabantu abangcwele kum; inyama yento eqwengiweyo endle nize ningayidli; noyiphosa ezinjeni.

IEksodus 23

Imithetho nemimiselo eyahlukahlukeneyo

1Uze ungàthuthi ludaba lukhohlakeleyo; uze ungancedisani nongendawo, ukuba ube lingqina logonyamelo.

2Uze ungàlandeli isininzi ukuya kwenza izinto ezimbi; ungàthi ukungqina kwimbambano ekhoyo, ujike ulandele isinizi, uyijike inyaniso.

3Uze ungàsicengi isisweli ekubambaneni kwaso nomnye.

4Xa uthe waqubisana nenkomo yotshaba lwakho, nokuba liesile lalo, lilahleka: wolibuyisela kulo.

5Xa uthe walibona iesile lokuthiyileyo lisadaléle phantsi komthwalo walo, musa ukumyekela; likhulule umkhululise.

6Uze ungàsijiki isigwebo sehlwempu lakho ekubambaneni kwalo nomnye.

7Zikhwelelise kude entweni ebubuxoki; musa ukumbulala omsulwa nolilungisa: kuba andiyi kumgwebela ongendawo.

8Uze ungàmkeli sicengo; kuba isicengo esi siyabamfamekisa ababonayo, siphenula imicimbi yamalungisa.

9Uze ungàmxini umphambukeli; niyawazi nina umphefumlo womphambukeli, kuba naningabaphambukeli nani ezweni laseYiputa.

10Wòwuhlwayela umhlaba wakho iminyaka emithandathu, ubuthe iziqhamo zawo;

11ke ngowesixhenxe wowuyeka ulale, adle amahlwempu abantu bakowenu, okuseleyo kuwo kudliwe ziinyamakazi; wénjenjalo ngesidiliya sakho, nangesinquma sakho.

12Wòwusebenza umsebenzi wakho imihla emithandathu, uphumle ngomhla wesixhenxe; iphumle inkomo yakho neesile lakho, akhe aphefumle unyana wesicakakazi sakho nomphambukeli.

13Zonke izinto endizithethileyo kuni, zigcineni; igama lathixo bambi uze ungalikhankanyi, lingaviwa emlonyeni wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Wòndenzela umthendeleko kathathu ngomnyaka.

15Umthendeleko wezonka ezingenagwele uze uwugcine, udle izonka ezingenagwele imihla esixhenxe, njengoko ndakuwiselayo umthetho, ngexesha elimisiweyo lenyanga enguAbhibhi; kuba waphuma ngayo eYiputa; makungabonakali bani phambi kwam engaphethe lutho;

16nomthendeleko wexa lokuvuna, wentlahlela yemisebenzi yakho yokuhlwayela entsimini; nomthendeleko wokuhlanganisa, osekupheleni komnyaka, ekuhlanganiseni kwakho imisebenzi yakho entsimini.

17Izihlandlo ezithathu ngomnyaka, mayibonakale yonke into eyindoda yakowenu phambi kweNkosi uYehova.

18Uze ungalibingeleli phezu kwento enegwele igazi lombingelelo wam; nenqatha lomthendeleko wam malingabi ngumbeko.

19Ingqalo yentlahlela yomhlaba wakho uze uyizise endlwini kaYehova uThixo wakho. Uze ungalipheki itakane ngobisi lonina.

20Uyabona, ndithuma isithunywa phambi kwakho, ukuba sikugcine endleleni, sikufikise endaweni endiyilungisileyo.

21Sílumkele, uliphulaphule izwi laso. Musa ukusiphikisa; kuba asiyi kuluxolela ukreqo lwenu; kuba igama lam likuso.

22Ke ukuba uthe waliva ilizwi laso, wenza konke endikuthethayo, ndoba lutshaba kwiintshaba zakho, ndibabandezele ababandezeli bakho.

23Kuba isithunywa sam sohamba phambi kwakho, sikufikise kuma-Amori, namaHiti, namaPerizi, namaKanan, namaHivi, namaYebhusi; ndiwabethe athi shwaka.

24Uze ungabanquli oothixo babo, ungabakhonzi, ungenzi ngokwemisebenzi yabo; uze uzigungxule, uziqhekeze nokuziqhekeza izimiso zabo zamatye.

25Nize nikhonze uYehova uThixo wenu, asisikelele isonka sakho, namanzi akho; ndisisuse isifo phakathi kwakho.

26Akuyi kubakho kuphunza nakudlola ezweni lakho; inani lemihla yakho ndolizalisa.

27Ndiya kuzithuma phambi kwakho izothuso zam, ndibadubadube bonke abantu oya kufika kubo, iintshaba zakho zonke ndizenze zikunikele ikhosi;

28ndithùme oonomeva phambi kwakho, bawagxothe amaHivi, namaKanan, namaHiti, asuke phambi kwakho.

29Andiyi kuwagxotha phambi kwakho ngamnyaka mnye, hleze ilizwe kube senkangala kulo, ande amarhamncwa asendle phezu kwakho.

30Ndiya kumana ukuwagxotha kancinane phambi kwakho, ude wande, ulidle ilifa ilizwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Ndoyimisa imida yakho, ithabathele kuLwandle oluBomvu ise kulwandle lwamaFilisti; ithabathele entlango, ise kuwo uMlambo; kuba abemi belo lizwe ndiya kubanikela esandleni sakho, ubagxothe phambi kwakho.

32Uze unganqophisani nabo, kwanoothixo babo; ize bangemi kwelo zwe lakho,

33hleze bakwenze undoni. Xa uthe wabakhonza oothixo babo, inene, oko koba ngumgibe kuwe.

IEksodus 24

UMoses wakha isibingelelo; unyukela entabeni

1Wathi ke kuMoses, Nyuka uye kuYehova, wena noAron, uNadabhi, noAbhihu, namashumi asixhenxe kumadoda amakhulu akwaSirayeli, ninqule nikude;

2kusondèle uMoses yedwa kuYehova; bangàsondeli bona, nabantu bangenyuki naye.

3Waya uMoses, wabaxelela abantu onke amazwi kaYehova, namasiko onke. Baphendula bonke abantu ngazwi-nye, bathi, Onke amazwi awathethileyo uYehova sowenza.

4Wawabhala uMoses onke amazwi kaYehova, wavuka kusasa, wákha isibingelelo emazantsi entaba, nezimiso zamatye zalishumi elinazibini, ngokwezizwe ezilishumi elinazibini zakwaSirayeli.

5Wathuma abafana bakoonyana bakwaSirayeli, banyusa amadini anyukayo, babingelela imibingelelo yoxolo, iinkunzi ezintsha zeenkomo kuYehova.

6UMoses wathabatha isiqingatha segazi, wasigalela ezidendelekweni, esinye isiqingatha segazi wasitshiza esibingelelweni.

7Wathabatha incwadi yomnqophiso, wayilesa ezindlebeni zabantu; bathi bona, Yonke into ayithethileyo uYehova soyenza siyive.

8Walithabatha uMoses igazi, wabatshiza abantu ngalo, wathi, Nâlo igazi lomnqophiso awenzayo uYehova nani ngala mazwi onke.

9Wenyuka uMoses noAron, uNadabhi noAbhihu, namashumi osixhenxe kumadoda amakhulu akwaSirayeli.

10Bambona uThixo wamaSirayeli; phantsi kweenyawo zakhe kwaye kunjengento eyenziwe ngesafire eqaqambileyo, njengenkqu yezulu lisile.

11Amanene oonyana bakaSirayeli akawasanga sandla. Ambona ke uThixo, adla, asela.

12Wathi uYehova kuMoses, Nyuka uze kum entabeni, ube khona, ndikùnike amacwecwe amatye enomyalelo nomthetho, endiwubhalele ukuze bayalwe ngawo.

13Wesuka uMoses noYoshuwa, umlungiseleli wakhe, wenyuka ke uMoses waya entabeni kaThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Wathi kumadoda amakhulu, Hlalani, nisilinde apho, side sibuye, size kuni. Yabonani, uAron noHure banáni; onendawo yokumangala makasondele kubo.

15Wenyuka ke uMoses waya entabeni; ilifu layigubungela intaba.

16Ubuqaqawuli bukaYehova bahlala phezu kwentaba yeSinayi; ilifu layigubungela iintsuku ezintandathu; wamemeza kuMoses ngosuku lwesixhenxe phakathi efini.

17Ke ukubonakala kobuqaqawuli bukaYehova, emehlweni oonyana bakaSirayeli, kwaye kunjengomlilo otshayo encotsheni yentaba.

18Wangena uMoses phakathi efini, wenyuka ke intaba uMoses; waba sentabeni apho iimini ezimashumi mané, nobusuku obumashumi mané.

IEksodus 25

Umnquba neempahla zawo

1Wathetha uYehova kuMoses, wathi, Thetha koonyana bakaSirayeli, bandizisele umrhumo.

2Nowuthabatha umrhumo wam ebantwini bonke abanikela ngokuqhutywa yintliziyo.

3Nguwo lo ke umrhumo eniya kuwuthabatha kubo: igolide, nesilivere, nobhedu; nento emsi nemfusa nebomwu,

4nelinen ecikizekileyo, noboya beebhokhwe;

5nezìntsu zeenkunzi zezimvu, zenziwe zayingqombela, nezikhumba zamahlengezi;

6nemingampunzi, ioli yesikhanyiso, ubulawu beoli yentambiso, nobesiqhumiso esiqholiweyo;

7amatye ebherilo, namatye okufakwe e-efodini, nawobengo;

8bandènzele indawo engcwele, ndihlale phakathi kwabo.

9Njengako konke endikubonisa kona: ngokomfanekiso womnquba, nomfanekiso weempahla zawo zonke, ize nenjenjalo ukuwenza.

10Mabenze ityeya yomngampunzi. Ubude bayo mabube ziikubhite zombini ezinesiqingatha, ububanzi bayo bube yikubhite enesiqingatha, ukuphakama kwayo kube yikubhite enesiqingatha;

11uyàleke ngegolide ecocekileyo, uyàleke ngaphakathi nangaphandle, uze uyithi jize ngesithsaba segolide;

12woyityhidela amakhonkco egolide abe mané, uwafake emilenzeni yayo yominé, amakhonkco abe mabini ngeli icala, amakhonkco abe mabini ngelinya icala;

13wenze izibonda ngomngampunzi, uzàleke ngegolide,

© 1975 Bible Society of South Africa.

14uzifake izibonda ezo emakhonkcweni asemacaleni etyeya, ithwalwe ngazo ityeya leyo.

15Zoba semakhonkcweni etyeya izibonda ezo; maze zingàrholwa kuyo.

16Isingqino, endiya kukunika sona, uze usibeke etyeyeni.

17Uze wenze isihlalo sokucamagusha ngegolide ecocekileyo. Ubude baso mabube ziikubhite ezimbini ezinesiqingatha, ububanzi baso bube yikubhite enesiqingatha.

18Uze wenze iikerubhi zibe mbini ngegolide; ukuzenza wozikhanda, zivele eziphelweni zozibini zesihlalo sokucamagusha;

19wenze ikerubhi ibe nye ivele esiphelweni seli icala, enye ikerubhi ivele esiphelweni seliya, esihlalweni sokucamagusha; wòzenza iikerubhi zivele eziphelweni zaso zozibini.

20Maze iikerubhi ziwolule amaphiko phezulu, zisisithelise ngamaphiko azo isihlalo sokucamagusha, ubuso bazo bukhangelane, bubheke esihlalweni sokucamagusha ubuso beekerubhi ezo.

21Uze usibeke isihlalo sokucamagusha phezu kwetyeya; ufake etyeyeni isingqino endiya kukunika sona.

22Ndiya kuhlangana nawe khona, ndithethe nawe ndisesihlalweni sokucamagusha, phakathi kweekerubhi zombini eziphezu kwetyeya yesingqino, ngeento zonke endiya kukuwisela umthetho ngazo koonyana bakaSirayeli.

23Uze wenze netafile ngomngampunzi. Ubude bayo boba ziikubhite ezimbini, ububanzi bayo bube yikubhite, ukuphakama kwayo kube yikubhite enesiqingatha;

24uyàleke ngegolide ecocekileyo, uyenzele isithsaba segolide esithi jize.

25Uze uyenzele udini olungangobubanzi besandla ngeenxa zonke, ulwenzele udini lwayo isithsaba segolide esithe jize.

26Woyenzela amakhonkco egolide abe mané, uwafake amakhonkco omané ezimbombeni zoné ezisemilenzeni yayo yominé.

27Oba kufuphi nokuhlangana kodini amakhonkco lawo, abe ziindawo zokufaka izibonda zokuyithwala itafile;

28uzenze izibonda ezo ngomngampunzi, uzàleke ngegolide, ithwalwe ngazo itafile.

29Uze wenze izitya zayo, neenkamba zayo, neendebe zayo, nemicephe yayo ekuya kuthungwa ngayo; uzenze ngegolide ecocekileyo;

30ubeke etafileni izonka zokubonisa, phambi kwam ngamaxesha onke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Uze wenze nesiphatho sezibane ngegolide ecocekileyo. Ukusenza, wòsikhanda isiphatho eso: isikhondo saso, nesibili saso, neendebe zaso, namaqhina aso, neentyantyambo zaso zivele kwakuso;

32amasebe amathandathu avele emacaleni aso; amasebe amathathu esiphatho avele kweli icala laso, amasebe amathathu esiphatho avele kweliya icala laso.

33Zoba ntathu iindebe ezifana neentyantyambo zeamangile, zinamaqhina neentyantyambo, kweli isebe; neendebe ezintathu ezifana neentyantyambo zeamangile, zibe zinamaqhina neentyantyambo, kweliya isebe; makube njalo kumasebe omathandathu avela esiphathweni eso.

34Zoba né iindebe esiphathweni, ezifana neentyantyambo zeamangile, zinamaqhina aso neentyantyambo zaso;

35ibe liqhina phantsi kwamasebe omabini livele kuso, ibe liqhina phantsi kwamasebe amabini livele kuso, ibe liqhina phantsi kwamasebe amabini livele kuso, abe ngawamasebe amathandathu avelayo esiphathweni eso.

36Amaqhina awo, namalungu awo avele kuso, sonke siphela masibe ngumkhando omnye wegolide ecocekileyo.

37Uze wenze izibane zaso zibe sixhenxe, uzimise izibane zaso, zikhanyisele icala elikhangelene nomphambili waso.

38Nozenza izifinyiso zaso, neengcedevu zaso, ngegolide ecocekileyo.

39Nosenza ngetalente yegolide ecocekileyo, sona nezo mpahla zonke.

40Khangela ke, uzènze ngokomfuziselo wazo, owawubona entabeni.

IEksodus 26

Umnquba

1Ke umnquba uze uwenze ngeshumi lamalengalenga elinen ecikizekileyo, ephothiweyo, nangemisonto emsi nemfusa nebomvu. Wowenzela iikerubhi umsebenzi wengcibi yokuluka.

2Ubude belengalenga lilinye boba ziikubhite ezimashumi mabini anesibhozo, ububanzi belengalenga lilinye bube ziikubhite eziné; onke amalengalenga alingane.

3Amalengalenga amahlanu ohlanganiswa, elinye nelinye; namalengalenga amahlanu ohlanganiswa, elinye nelinye.

4Uze wenze amasango emisonto emsi emphethweni welinye ilengalenga, ekupheleni, ekuhlanganeni; wenjenjalo emphethweni welengalenga lokugqibela, ekuhlanganeni kwelesibini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wòwenza amasango abe mashumi mahlanu kwelinye ilengalenga; wenze amasango abe mashumi mahlanu ekupheleni kwelengalenga elisekuhlanganeni kwelesibini, ukuze amasango alungelelane elinye nelinye;

6wenze amagwegwe egolide abe mashumi mahlanu, uwahlanganise amalengalenga, elinye nelinye, ngamagwegwe lawo, ube mnquba mnye.

7Uze wenze amalengalenga ngoboya beebhokhwe abe yintente phezu komnquba, uwenze amalengalenga lawo abe lishumi elinalinye.

8Ubude belengalenga lilinye boba ziikubhite ezimashumi mathathu; ububanzi belengalenga lilinye boba ziikubhite eziné; loo malengalenga alishumi elinalinye olingana.

9Wowahlanganisa odwa amalengalenga amahlanu, namalengalenga amathandathu odwa; elesithandathu ilengalenga uliphinde phambi kwentente ngaphambili;

10wenze amasango abe mashumi mahlanu emphethweni welengalenga elo lokugqibela, ekuhlanganeni namasango, abe mashumi mahlanu emphethweni welesibini ilengalenga elihlanganiswe nelinye.

11Uze wenze amagwegwe obhedu abe mashumi mahlanu, uwafake amagwegwe awo emasangweni, uyihlanganise intente ibe nye.

12Ke ukwanekwa kwendawo egqithiseleyo emalengalengeni entente, sothi isiqingatha selengalenga eligqithiseleyo sanekwe kwelasemva icala lomnquba;

13ithi ikubhite ngapha nekubhite ngapho, endaweni egqithiseleyo ebudeni bamalengalenga entente, yanekwe emacaleni omnquba ngapha nangapho, iwugubungele.

14Intente uze uyenzele isigubungelo ngezintsu zeenkunzi zezimvu, ezenziwe zayingqombela, nesigubungelo sezikhumba zamahlengezi ngaphezulu kweso.

15Umnquba uze uwenzele iiplanga ngomngampunzi, zime.

16Ubude beplanga boba ziikubhite ezilishumi, ububanzi beplanga inye bube yikubhite enesiqingatha.

17Iplanga inye yoba neempondlo ezimbini, zihlangene olunye nolunye; wenjenjalo eziplangeni zonke zomnquba.

18Umnquba uze uwenzele iiplanga, zibe mashumi mabini iiplanga ngecala lasezantsi ngasezantsi;

19wenze iziseko zesilivere, zibe mashumi mané phantsi kweeplanga ezimashumi mabini: zibe zibini iziseko, phantsi kweplanga inye, zeempondlo zayo zombini; zibe zibini iziseko, phantsi kweplanga inye, zeempondlo zayo zombini.

20Ezecala lesibini lomnquba ngelasentla icala zoba mashumi mabini iiplanga;

© 1975 Bible Society of South Africa.

21neziseko zazo zesilivere zibe mashumi mané; iziseko zibe zibini phantsi kweplanga inye; zibe zibini iziseko phantsi kweplanga inye.

22Ezomva womnquba ngasentshonalanga wozenza zibe ntandathu iiplanga.

23Iiplanga ezimbini uze uzenze iimbombo zomnquba emaphundwini omabini;

24zibe ngamawele, zithabathele ezantsi ukuhlangana; zibe nto-nye kude kuse entloko, ziye khonkcweni linye. Koba njalo kuwo omabini, abe ngaweembombo zombini.

25Zoba ziiplanga ezisibhozo neziseko zazo zesilivere, zibe ziziseko ezilishumi elinazithandathu: zibe zibini iziseko phantsi kweplanga inye, zibe zibini iziseko phantsi kweplanga inye.

26Maze wenze imivalo ngomngampunzi: ibe mihlanu eziplangeni zelinye icala lomnquba,

27ibe mihlanu imivalo eziplangeni zelesibini icala lomnquba, ibe mihlanu imivalo eziplangeni zecala lomnquba, emaphundwini ngasentshonalanga.

28Umvalo othi gabhu phakathi eziplangeni ezo mawuvale, usuka ekupheleni uye ekupheleni.

29Uze uzàleke iiplanga ngegolide; amakhonkco azo uwenze ngegolide, abe ziindawo zemivalo; ke imivalo uyàleke ngegolide.

30Uwùmise umnquba ngokwesiko lawo olibonileyo entabeni.

31Uze wenze umkhusane ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo: wowenzela iikerubhi, umsebenzi wengcibi yokuluka.

32Uze uwuxhome ezintsikeni eziné zomngampunzi ezàlekwe ngegolide, emagwegweni azo egolide, zime phezu kweziseko zoziné zesilivere;

33wowuxhoma umkhusane emakhonkcweni, ityeya yesingqino uyingenise khona, ngaphaya komkhusane, ukuze umkhusane unahlulele ingcwele kwingcwele kangcwele.

34Uze usibeke isihlalo sokucamagusha phezu kwetyeya yesingqino, kwingcwele kangcwele;

35uyimise itafile nganeno komkhusane, usimise nesiphatho sesibane malunga netafile, ngecala lomnquba langasezantsi; ke itafile uyibeke ngecala langasentla.

36Umnyango wentente uze uwenzele isisitheliso, ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo, umsebenzi oyimfakamfele womluki.

37Isisitheliso eso uze usenzele iintsika zibe ntlanu ngomngampunzi, uzàleke ngegolide; amagwegwe azo abe ngawegolide; uzityhidele iziseko zobhedu zibe zihlanu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IEksodus 27

Isibingelelo; intendelezo yomnquba

1Uze usenze isibingelelo ngomngampunzi. Ubude baso boba ziikubhite ezintlanu, ububanzi baso bube ziikubhite ezintlanu, sibe mbombo né isibingelelo; ukuphakama kwaso kube ziikubhite ezintathu.

2Uze wenze iimpondo zaso ezimbombeni zaso zoné, zivele kuso iimpondo zaso; usàleke ngobhedu.

3Uze wenze neenkamba zaso zokuwola uthuthu lwaso, nemihlakulwana yaso, nezitya zaso zokutshiza, neefolokhwe zaso, neengcedevu zaso zamalahle; zonke iimpahla zaso uzenze ngobhedu.

4Wosenzela uthango, umsebenzi ongumnatha ngobhedu; wenze emnatheni lowo amakhonkco abe mané ngobhedu eziphelweni zalo zoziné;

5ulubeke phantsi kongqameko olujikeleze isibingelelo, luthabathele ezantsi, lungumnatha, luthi gabhu phakathi esibingelelweni.

6Uze usenzele izibonda isibingelelo, izibonda zomngampunzi, uzàleke ngobhedu;

7zifakwe izibonda zaso emakhonkcweni, zibe semacaleni omabini esibingelelo izibonda ezo ekuthwalweni kwaso.

8Wosenza ngeeplanga, sibe holoholo. Njengoko waboniswa ngako entabeni, mabenjenjalo.

9Uze uyenze intendelezo yomnquba kwelasezantsi icala ngasezantsi, ibe ngamawunduwundu entendelezo elinen ecikizekileyo, ephothiweyo; ubude becala lilinye boba ziikubhite ezilikhulu;

10iintsika zayo ezimashumi mabini, neziseko zazo ezimashumi mabini, zibe zezobhedu; amagwegwe eentsika neminqiwu yazo ibe yeyesilivere.

11Kananjalo ngecala lasentla, ebudeni makubekho amawunduwundu aziikubhite ezilikhulu ubude bawo, neentsika zalo ezimashumi mabini, neziseko zaso ezimashumi mabini, izezobhedu; amagwegwe eentsika neminqiwu yazo ibe yeyesilivere.

12Ububanzi bentendelezo ngecala lasentshonalanga boba ngamawunduwundu aziikubhite ezimashumi mahlanu. Iintsika zawo zoba lishumi, neziseko zazo zibe lishumi.

13Ububanzi bentendelezo ngecala lempumalanga ngasempumalanga boba ziikubhite ezimashumi mahlanu.

14Amawunduwundu ngelinye icala lesango oba ziikubhite ezilishumi elinantlanu, iintsika zawo zibe ntathu, neziseko zazo zibe zithathu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15amawunduwundu ngelinye icala lesango abe ziikubhite ezilishumi elinantlanu;
iintsika zawo zibe ntathu, neziseko zazo zibe zithathu.

16Esangweni lentendelezo soba sisisitheliso seekubhite ezimashumi mabini
semisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo, umsebenzi
oyimfakamfele womluki. Iintsika zazo zoba né, neziseko zaso zibe ziné.

17Zonke iintsika zentendelezo eziyijikelezileyo zoba neminqiwu yesilivere;
amagwegwe ayo abe ngawesilivere, neziseko zazo zibe zezobhedu.

18Ubude bentendelezo boba ziikubhite ezilikhulu; ububanzi buhambe buba
ngamashumi omahlanu, amashumi omahlanu; ukuphakama kube ziikubhite
ezintlanu zelinen ecikizekileyo, ephothiweyo; iziseko zazo zibe zezobhedu.

19Zonke iimpahla zomnquba, ekusetyenzweni kwawo konke, nezikhonkwane zawo
zonke, nezikhonkwane zonke zentendelezo, zoba zezobhedu.

20Oonyana bakaSirayeli maze ubawisele umthetho wokuba bakuzisele ioli
eqaqambileyo yemingquma engqushiweyo, yesikhanyiso, ukuba bamise isibane
samaxesha onke,

21ententeni yokuhlangana, nganeno komkhusane ophambi kwesingqino. UAron
noonyana bakhe bosilungisa, kuthabathele ngokuhlwa kude kuse, phambi koYehova;
ibe ngummiselo onganuphakade kwizizukulwana zabo, ngenxa yoonyana
bakaSirayeli.

IEksodus 28

Izivatho zobubingeleli zika-Aaron nezoonyana bakhe

1Wena ke sondeza kuwe uAron umkhuluwa wakho, enoonyana bakhe, umthabathe
phakathi koonyana bakaSirayeli abe ngumbingeleli kum: uAron, noNadabhi,
noAbhihu, noElazare, noItamare, oonyana baka-Aaron;

2uAron, umkhuluwa wakho, umenzele izambatho ezingcwele, zibe zezozuko
nezokuhomba.

3Uze uthethe wena kubo bonke abantliziyo zilumkileyo, endibazalise ngomoya
wobulumko, bazenze izambatho zika-Aron zokumngcwalisa, abe ngumbingeleli kum.

4Zizo ke ezi izambatho abaya kuzenza: ubengo, ne-efodi, nengubo yokwaleka,
nengubo yangaphantsi elukwe ngokwesindlwane, nonkontsho, nombhinqo;
bamenzele ke izambatho ezingcwele uAron, umkhuluwa wakho, noonyana bakhe,
abe ngumbingeleli kum.

5Bothabatha bona igolide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo.

6Maze bayenze iefodi ngegolide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen
ecikizekileyo, ephothiweyo, umsebenzi ke lowo wengcibi yokuluka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Yoba neziziba ezibini zamagxa, zokuyixakatha emiphethweni yayo yomibini, ixakathwe ke.

8Nombhinqo ophezu kwayo, wokuyinxiba iefodi, mawube njengokusetyenzwa kwayo, uphume kuyo, ngegolide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo.

9Uze uthabathe amatye ebherilo abe mabini, ukrole kuwo amagama oonyana bakaSirayeli;

10amagama amathandathu abo oba kwelinye ilitye, namagama amathandathu amanye abe kwelesibini ilitye, ngokweenzala zabo.

11Wòwakrola amatye omabini, ngokomsebenzi womkroli wamatye, ngokrolo lomsesane wokutywina, ngokwamagama oonyana bakaSirayeli, uwabhijele ngomluko wegolide.

12Uze uwabeke amatye omabini ezizibeni zamagxa ze-efodi, abe ngamatye esikhumbuzo koonyana bakaSirayeli; awathwale uAron amagama abo phambi koYehova ezizibeni zamagxa akhe omabini, abe sisikhumbuzo.

13-14Uze wenze nemiluko yegolide; neentsontelo ezimbini zegolide ecocekileyo, uzenze zithi shinyi, zibe ngumsebenzi osontiweyo, uzifake iintsontelo ezo zisontiweyo emilukweni yegolide.

15Uze ulwenze ubengo lwesigwebo, umsebenzi ke lowo wengcibi yokuluka, ulwenze njengokwenziwa kwe-efodi, ulwenze ngegolide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo.

16Loba mbombo-né, luphindwe: ubude balo bube kukolulwa kweminwe, ububanzi balo bube kukolulwa kweminwe.

17Uze ufake kulo imifakwa yamatye, imikrozo eminé yamatye; ibe lukrozo lwesardiyo, netopazi, nesmarado, lukrozo lokuqala ke olo;

18ukrozo lwesibini lube yirubhi, nesafire, nekalikedo;

19ukrozo lwesithathu lube yihakinto, neagati, neametiste;

20ukrozo lwesiné lube yikrizolite, nebherilo, neyaspisi; ibe ngumluko wegolide ekufakweni kwawo;

21amatye lawo abe ngokwamagama oonyana bakaSirayeli, abe lishumi elinamabini ngokwamagama abo; abe nokrolo lomsesane wokutywina, lithi elo libe negama lalo ngokwamagama ezizwe ezilishumi elinazibini.

22Uze wenze elubengweni iintsontelo ezithe shinyi, umsebenzi ke lowo osontiweyo ngegolide ecocekileyo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

23wenze elubengweni amakhonkco abe mabini ngegolide, uwafake loo makhonkco mabini emancamini omabini obengo;

24uzifake iintsontelo zombini zegolide esontiweyo, emakhonkcweni amabini asemancamini obengo;

25namancam omabini eentsontelo zombini uwafake emilukweni yomibini, uwafake ezizibeni zamagxa e-efodi, phambili kuyo.

26Uze wenze amakhonkco amabini ngegolide, uwafake emancamini omabini obengo, emphethweni walo okwicala elikhangelene ne-efodi, elibheke ngaphakathi;

27wenze amanye amakhonkco amabini ngegolide, uwafake ezizibeni zozibini zamagxa e-efodi ngaphantsi, mayela nomphambili wayo, kufuphi nokuhlangana kwayo, entla kombhinqo we-efodi;

28ulunxibelele ubengo ngamakhonkco alo emakhonkcweni e-efodi ngentsontelo yemisonto emsi, lube sentla kombhinqo we-efodi, ukuze lungasuki ubengo kuyo iefodi.

29Wowathwala uAron amagama oonyana bakaSirayeli elubengweni lwesigwebo phezu kwentliziyo yakhe, ekungeneni kwakhe engcweleni, luhlale lusisikhumbuzo phambi koYehova.

30Uze ufake elubengweni lwesigwebo iiUrim neeTumim, zibe phezu kwentliziyo ka-Aron ekungeneni kwakhe phambi koYehova, ahlale ethwele uAron isigwebo soonyana bakaSirayeli phezu kwentliziyo yakhe phambi koYehova.

31Ingubo yokwaleka ye-efodi maze uyenze yonke ngemisonto emsi.

32Umqala wamantla ayo woba sesazulwini sayo, umqala ube nomphetho owujikelezileyo, ongumsebenzi womluki, ube njengomqala wesigcina-sifuba kuyo, ukuze ingakrazuki.

33Uze wenze emqukumbelweni wayo ngasezantsi iirharnate ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, zizunguleze emqukumbelweni wayo; namankenteza egolide phakathi kwazo, azunguleze.

34Kobakho inkenteza legolide nerharnate, inkenteza legolide nerharnate, emqukumbelweni wengubo yokwaleka, kuzunguleze;

35ayinxibe uAron, ukuba alungiselele; sivakale isandi sayo ekungeneni kwakhe engcweleni phambi koYehova, nasekuphumeni kwakhe, ukuze angafi.

36Uze wenze imbasa ngegolide ecocekileyo, ukrole kuyo ngokrolo lomsesane wokutywina, uthi, INGCWELE KUYEHOVA;

37uyifake umtya wemisonto emsi, inxitywe elunkontshweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

38Yoba ngaphambili elunkontshweni, ibe sebunzi kuAron, ukuze abuthwale uAron ubugwenxa bezinto ezingcwele, abazingcwalisayo oonyana bakaSirayeli eminikelweni yabo yonke engcwele; ihlale isebunzi kuye, ukuze zibakholekise zona phambi koYehova.

39Uze uyiluke ingubo yangaphantsi ngelinen ecikizekileyo, unkontsho ulwenze ngelinen ecikizekileyo, uwenze nombhinqo ngokomsebenzi oyimfakamfele womluki.

40Wobenzela oonyana baka-Aron iingubo zangaphantsi, ubenzele umbhinqo; ubenzele neminqwazi, ibe yeyozuko neyokuhomba;

41uzinxibe kuAron umkhuluwa wakho, nakoonyana bakhe benaye, ubathambise, ubamisele, ubangcwalise, babe ngababingeleli kum.

42Wobenzela iibhulukhwe zelinen emhlophe zokufihla ubuzé babo, zithabathele esinqeni zise emathangéni;

43bazinxibe uAron noonyana bakhe ekungeneni kwabo emnqubeni wokuhlangana, nasekusondeleni kwabo esibingelelweni, besiza kulungiselela engcweleni, bangathwali ubugwenxa bafe; ibe ngummiselo ongunaphakade kuye, nakwimbewu yakhe emva kwakhe.

IEksodus 29

Ukungcwaliswa kobubingeleli

1Yiyo le into owoyenza kubo yokubangcwalisa, ukuba babe ngababingeleli kum: Thabatha inkunzi entsha, ithole lenkomo, neenkunzi zezimvu ezigqibeleleyo zibe mbini;

2nesonka esingenagwele, nemiqhathane engenagwele egalelwe ioli, nezonkana ezisicaba, ezingenagwele, zithanjiswé ngeoli; uzenze ngomgubo ocoliweyo.

3Wozibeka ngobozini-nye, uzisondeze ngengobozi leyo, kwanenkunzi entsha yenkomo, neenkunzi zezimvu zombini.

4UAron noonyana bakhe uze ubasondeze emnyango wentente yokuhlangana, ubahlambe ngamanzi;

5uzithabathe izambatho, umnxibe uAron ingubo engaphantsi, nengubo yokwaleka ye-efodi, ne-efodi, nobengo, umbhinqise ngombhinqo we-efodi;

6umbeke unkontsho entlokweni yakhe, ubeke isithsaba esingcwele elunkontshweni olo.

7Uze uthabathe ioli yentambiso, uyithululele entlokweni yakhe, umthambise.

8Oonyana bakhe ke wobasondeza, ubanxibe iingubo zangaphantsi;

9ubabhinqise umbhinqo, uAron noonyana bakhe, ubanxibe iminqwazi, bube bobabo ububingeleli, bube ngummiselo ongunaphakade; ubamisele uAron noonyana bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Uze uyisondeze inkunzi entsha phambi kwentente yokuhlangana, uAron noonyana bakhe bacinezele ngezandla zabo entlokweni yenkunzi entsha.

11Woyixhela inkunzi entsha phambi koYehova emnyango wentente yokuhlangana,

12ucaphule egazini lenkunzi entsha, uliqabe ezimpondweni zesibingelelo ngomnwe wakho; lonke igazi uliphalazele esisekweni sesibingelelo;

13uthabathe wonke umhlehlo ogubungele izibilini, nomhlehlo ophezu kwesibindi, nezintso zombini, nenqatha lazo, uqhumisele ngazo esibingelelweni.

14Yona inyama yenkunzi entsha, nesikhumba sayo, nomswane wayo, wozitshisa ezo zinto ngomlilo, ngaphandle kweminquba yenu. Lidini lesono elo.

15Woyithabatha enye inkunzi yemvu leyo, uAron noonyana bakhe bacinezele ngezandla zabo entlokweni yenkunzi yemvu leyo.

16Uze uyixhele inkunzi yemvu, ulithabathe igazi layo, ulitshize esibingelelweni, ujikelezise.

17Woyityatya inkunzi yemvu, uzihlambe izibilini zayo neentungo zayo, uzibeke phezu kweenyama zayo, naphezu kwentloko yayo;

18uqhumisele ngenkunzi yemvu iphela esibingelelweni. Elo lidini elinyukayo kuYehova, livumba elithozamisayo, kukudla kwasemlilweni kuYehova.

19Uze uyithabathe eyesibini inkunzi yemvu, uAron noonyana bakhe bacinezele ngezandla zabo entlokweni yenkunzi yemvu leyo.

20Woyixhela inkunzi yemvu, ucaphule egazini layo, uliqabe esithinzini sendlebe yasekunene ka-Aron, nasesithinzini sendlebe yasekunene yoonyana bakhe, nasesithupheni sesandla sabo sokunene, nakubhontsi wonyawo lwabo lwasekunene, ulitshize igazi esibingelelweni, ujikelezise;

21ucaphule egazini eliphezu kwesibingelelo, naseolini yentambiso, ulifefe kuAron, nasezambathweni zakhe, nakoonyana bakhe, nasezambathweni zoonyana bakhe ndawonye naye, bangcwaliswe ke, yena nezambatho zakhe, noonyana bakhe, nezambatho zoonyana bakhe ndawonye naye.

22Uze uthabathe enkunzini yemvu amanqatha, nomsila, nomhlehlo ogubungele izibilini, nomhlehlo ophezu kwesibindi, nezintso zombini, nenqatha lazo, nomlenze wasekunene; kuba yinkunzi yemvu yokumisela;

23nentendana yesonka, nomqhathane ogalelwe ioli ube mnye, nesonkana esisicaba sibe sinye, engobozini yezonka ezingenagwele eziphambi koYehova.

24Wozibeka zonke ezo zinto ezandleni zika-Aron, nasezandleni zoonyana bakhe, uzitshangatshangise, zibe ngumtshangatshangiso phambi koYehova;

© 1975 Bible Society of South Africa.

25uzithabathe ezandleni zabo, uqhumisele ngazo esibingelelweni, phezu kwedini elinyukayo, zibe livumba elithozamisayo phambi koYehova. Oko kukudla kwasemlilweni kuYehova.

26Uze uthabathe incum yenkunzi yemvu yokumisela uAron, uyitshangatshangise ibe ngumtshangatshangiso phambi koYehova, sibe sisabelo sakho eso.

27Woyingcwalisa incum yomtshangatshangiso otshangatshangisiweyo, nomlenze womrhumo orhunyiweyo, enkunzini yemvu yokumisela uAron noonyana bakhe;

28ibe yeka-Aron noonyana bakhe; ibe ngummiselo ongunaphakade, iphuma koonyana bakaSirayeli, kuba ingumrhumo. Wóba ngumrhumo ophuma koonyana bakaSirayeli emibingelelweni yabo yoxolo, umrhumo wabo kuYehova.

29Izambatho ezingcwele ezikuAron zoba zezoonyana bakhe emva kwakhe, bathanjiswe ngeoli bezambethe, bamiselwe kuzo.

30Lowo ungumbingeleli esikhundleni sakhe, koonyana bakhe, wozambatha imihla esixhenxe ekungenen kwakhe ententeni yokuhlangana, ukuba alungiselele engcweleni.

31Inkunzi yemvu yokumisela uze uyithabathe, uyipheke inyama yayo endaweni engcwele;

32bayidle ooAron noonyana bakhe inyama yenkunzi yemvu, kwanesonka esisengobozini, emnyango wentente yokuhlangana.

33Ezo zinto, bekucanyagushwe ngazo, ukubamisela nokubangcwalisa, mabazidle; owasemzini makangazidli, kuba zingcwele.

34Ukuba kuthe kwasala nto enyameni yokumisela nasezonkeni, kwada kwasa, uze uyitshise ngomlilo loo nto iseleyo; ingàdliwa, kuba ingcwele.

35Uze wenjenje kuAron nakoonyana bakhe ngokweento zonke endikuwisele umthetho ngazo; wobamisela iintsuku zibe sixhenxe.

36Uze wenze idini lesono ngenkunzi entsha imini ngemini, ukuze kucanyagushwe; isibingelelo usihlambulule isono ekusicamagusheleni kwakho, usithambise, singcwaliswe.

37Imihla yoba sixhenxe isibingelelo usicamagushela, usingcwalise, sibe sisibingelelo esiyingcwele kangcwele. Zonke izinto ezisichukumisayo isibingelelo eso zoba ngcwele.

38Yiyo ke le into oya kuyibingelela esibingelelweni: ziimvana ezimnyaka mnye zibe mbini, imini ngemini amaxesha onke.

39Enye imvana woyibingelela kusasa, eyesibini imvana uyibingelele lakutshona ilanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

40Kwimvana yokuqala uze wenze isahlulo seshumi se-efa yomgubo ocoliweyo, ugalelwe ioli engqushiweyo esisahlulo sesiné sehin, ndawonye nomnikelo othululwayo osisahlulo sesiné sehin yewayini.

41Eyesibini imvana woyibingelela lakutshona ilanga, uyenze ngokomnikelo wokudla wakusasa, nangokomnikelo walo othululwayo, ibe livumba elithozamisayo, ukudla kwasemlilweni kuYehova.

42Elo loba lidini elinyukayo lamaxesha onke kwizizukulwana zenu, emnyango wentente yokuhlangana phambi koYehova, apho ndiya kuhlangana nani khona, ndithethe nawe.

43Khona apho ndohlangana noonyana bakaSirayeli, bangcwaliswe ngobuqaqawuli bam;

44ndiyingcwalise intente yokuhlangana nesibingelelo, noAron noonyana bakhe ndibangcwalise, babe ngababingeleli bam.

45Ndohlala phakathi koonyana bakaSirayeli, ndibe nguThixo wabo;

46bazi ukuba ndinguYehova uThixo wabo, owabakhuphayo ezweni laseYiputa, ukuba ndihlale phakathi kwabo: ndinguYehova uThixo wabo.

IEksodus 30

Isibingelelo sesiqhumiso nesitya sokuhlambela sobhedu

1Uze wenze isibingelelo sokuqhumisela ngesiqhumiso, usenze ngomngampunzi.

2Ubude baso boba yikubhite, ububanzi baso bube yikubhite, sibe mbombo-né; ukuphakama kwaso kube ziikubhite ezimbini, ziphume kuso iimpondo zaso.

3Umphezulu waso wowàleka ngegolide ecocekileyo, namacala aso ngeenxa zonke, neempondo zaso; usithi jize ngesithsaba segolide.

4Uze usenzele amakhonkco abe mabini ngegolide phantsi kwesithsaba saso, ezimbombeni zaso ezimbini, emacaleni aso omabini, abe ziindawo zezibonda, sithwalwe ngazo;

5uzenze izibonda ngomngampunzi, uzàleke ngegolide.

6Uze usibeke nganeno komkhusane ongasetyeyeni yesingqino, phambi kwesihlalo sokucamagusha esiphezu kwesingqino, apho ndiya kuhlangana nawe khona.

7Wóqhumisela kuso uAron ngesiqhumiso esimnandi, imiso ngemiso. Wóqhumisela ngaso ekulungiseni kwakhe izibane;

8ekuzimiseni uAron izibane, lakutshona ilanga, ahlale eqhumisela ngesiqhumiso phambi koYehova, kwizizukulwana zenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Kuso nize ninganyusi siqhumiso esingesesikweni, nadini linyukayo, namnikelo wakudla; namnikelo uthululwayo ningawuthululeli kuso.

10UAron makacamagushele iimpondo zaso kube kanye ngomnyaka; ngegazi ledini lesono lokucamagusha, kube kanye ngomnyaka; asicamagushele kuse kwizizikulwana zenu: siyingcwele kangcwele kuYehova.

11Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

12Xa ulithabathayo inani loonyana bakaSirayeli, ngokubalelwa kwabo encwadini yomlibo wokuzalwa, mabanikele elowo imali yokucamagushela umphefumlo wakhe kuYehova ekubabaleni; ukuze kungabikho sibetho kubo ekubabaleni.

13Nantsi loo nto: bonke abagqithela kwababaliweyo mabanike isiqingatha seshekele ngokweshekele yengcwele (ishekele leyo iziigera ezimashumi mabini); isiqingatha seshekele leyo yoba ngumrhumo kuYehova.

14Bonke abagqithela kwababaliweyo, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, benyusa, mabamnike uYehova umrhumo.

15Isityebi asiyi kugqithisa, nosweleyo akayi kubetha nganeno kwesiqingatha seshekele, ukumnika umrhumo uYehova, ukucamagushela imiphefumlo yenu.

16Uze uyithabathe imali yokucamagusha koonyana bakaSirayeli, uyinikele enkonzweni yentente yokuhlangana; ukuze ibe sisikhumbuzo koonyana bakaSirayeli, phambi koYehova, ukucamagushela imiphefumlo yenu.

17Wathetha uYehova kuMoses esithi,

18Yenza uhehema lwesitya sokuhlambela ngobhedu, noseko lwalo ngobhedu, kuhlanjelwe kulo; ulubeke phakathi kwentente yokuhlangana nesibingelelo, ugalele amanzi kulo;

19bahlambele kulo uAron noonyana bakhe izandla zabo neenyawo zabo.

20Ekungeneni kwabo ententeni yokuhlangana bohlamba ngamanzi, bangafi; nasekusondeleni kwabo esibingelelweni, besiza kulungiselela nokuqhumisela ngokudla kwasemlilweni kuYehova;

21bohlamba ke izandla zabo neenyawo zabo, ukuze bangafi; ibe ngummiselo ongunaphakade kubo, kuye lo, nakwimbewu yakhe kwizizukulwana zabo.

22Wathetha uYehova kuMoses esithi,

23Thabathela kuwe ubulawu bohlobo: imore, ezivuzelayo ngokwayo, engamakhulu amahlanu eeshekele; isinamon enobulawu ibe sisiqingatha soko, amakhulu abe mabini anamanci mahlanu; nekalamo evumba limnandi, amakhulu abe mabini anamanci mahlanu; nekasiya,

24amakhula abe mahlanu ngokweshekele yengcwele; neoli yeminquma ibe yihin;

© 1975 Bible Society of South Africa.

25uyenze ibe yioli engcwele yokuthambisa, isiqholo sokuqhola, umsebenzi womqholi, ibe yioli engcwele yokuthambisa.

26Uze uthambise ngayo intente yokuhlangana, netyeya yesingqino,

27netafile nempahla yayo yonke, nesiphatho sezibane nempahla yaso, nesibingelelo sokuqhumisela,

28nesibingelelo sedini elinyukayo neempahla zaso zonke, nohehema lwesitya sokuhlambela, noseko lwalo;

29uzingcwalise zibe yingcwele kangcwele. Zonke izinto ezizichukumisayo zoba ngcwele.

30UAron noonyana bakhe uze ubathambise, ubangcwalise, babe ngababingeleli kum.

31Wothetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Yoba yioli engcwele yokuthambisa kum le, kwizizukulwana zenu.

32Ize ingàgalelwa nyameni yamntu; uze ungenzi enjengayo ngomlinganiso wayo; ingcwele yona, mayibe ngcwele kuni.

33Umntu osukuba eqhola enjengayo, nosukuba ethabatha kuyo ayinike ongengowakuni, wonqanyulwa, angabikho ebantwini bakowabo.

34Wathi uYehova kuMoses, Zithabathele ubulawu, istorakis, neonike, negalebhana; ubulawu obo bube nentlaka emhlophe engangxengelelweyo, ibe yimilinganiso elinganayo;

35wenze ngabo isiqhumiso esiqholiweyo, umsebenzi womqholi, sigalelwe ityuwa, sihlambulukile, singcwele.

36Woyisila inxenye yazo icoleke, ucaphule, ubeke phambi kwesingqino ententeni yokuhlangana, apho ndiya kuhlangana nawe khona; yoba yingcwele kangcwele kuni.

37Isiqhumiso eso, oya kusenza ngokomlinganiso waso, ize ningazenzeli okwenu; kuwe soba yingcwele kuYehova.

38Umntu osukuba enze esinjengaso, ukuba asijoje, wonqanyulwa, angabikho ebantwini bakowabo.

IEksodus 31

UBhetsaleli noAholiyabhi bamiselwa umsebenzi womnquba

1Wathetha uYehova kuMoses esithi,

2Khangela, ndibizé ngegama uBhetsaleli unyana kaUri, unyana kaHuri, wesizwe sakwaYuda;

3ndamzalisa ngomoya kaThixo, ngobulumko, nangokuqonda, nangokwazi, nangobungcibi bamashishini onke;

© 1975 Bible Society of South Africa.

4ukuba athelekelele, ayile, asebenze ngegolide nangesilivere nangobhedu,

5nangokukrola amatye, awafake, nangokukrola imithi, asebenze amashishini onke.

6Yabona, mna ndimkhuphé kunye noAholiyabhi unyana ka-Ahisamaki, wesizwe sakwaDan; nasezintliziyweni zabo bonke abalumkileyo entliziyweni ndibeke ubulumko, ukuze bazenze zonke izinto endikuwisele umthetho ngazo:

7intente yokuhlangana, netyeya yesingqino, nesihlalo sokucamagusha esiphezu kwayo, nempahla yonke yentente,

8netafile nempahla yayo, nesiphatho sezibane esicocekileyo, nempahla yaso yonke,

9nesibingelelo sokuqhumisela, nesibingelelo sedini elinyukayo nempahla yaso yonke, nohehema lwesitya sokuhlambela, noseko lwalo;

10nezambatho zokubusa, nezambatho ezingcwele zika-Aron umbingeleli, nezambatho zoonyana bakhe zokwenzelelela;

11neoli yokuthambisa, nesiqhumiso esimnandi sengcwele; benzè njengako konke endikuwisele umthetho ngako.

Ukugcinwa kwesabatha

12Wathetha uYehova kuMoses esithi,

13Wena, thetha koonyana bakaSirayeli uthi, Inene, iisabatha zam zigcineni; kuba zingumqondiso phakathi kwam nani kwizizukulwana zenu, ukuze nazi ukuba ndinguYehova oningcwalisayo;

14niyigcine isabatha, kuba ingcwele kuni. Lowo uyihlambelayo wobulawa afe; kuba bonke abo basebenza umsebenzi ngayo, loo miphefumlo yonqanyulwa, ingabikho ebantwini bakowayo.

15Imihla emithandathu wosebenza umsebenzi ngayo, ke umhla wesixhenxe yisabatha kasabatha, ingcwele kuYehova; bonke abo basebenza umsebenzi ngomhla wesabatha, bobulawa bafe.

16Oonyana bakaSirayeli mabayigcine ke isabatha, bayenze isabatha kwizizukulwana zabo: ingumnqophiso ongunaphakade.

17Phakathi kwam noonyana bakaSirayeli, ngumqondiso ongunaphakade; kuba imihla emithandathu uYehova wenza izulu nomhlaba, waphumla ngomhla wesixhenxe, waphefumla.

18Akukhova ukuthetha naye entabeni yaseSinayi, wamnika uMoses amacwecwe amabini esingqino, amacwecwe amatye, ebhalwe ngomnwe kaThixo.

IEksodus 32

AmaSirayeli akhonza ithole legolide

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke babona abantu ukuba uMoses ulibele, akehli entabeni; bababizela ndawonye abantu kuAron, bathi kuye, Sukume, usenzele uthixo oya kuhamba phambi kwethu; kuba lo Moses, le ndoda yasinyusayo ezweni laseYiputa, asazi ukuba uhlelwe yintoni na.

2Wathi uAron kubo, Qhawulani amajikazi egolide, asezindlebeni zabafazi benu, noonyana benu, neentombi zenu, niwazise kum.

3Bawaqhawula ke abantu bonke amajikazi egolide abesezindlebeni zabo, bawazisa kuAron.

4Wawathabatha ezandleni zabo, wayikrola igolide ngentlabo, wayenza ithole elityhidiweyo. Bathi, Nanko uthixo wakho, Sirayeli, okunyusileyo ezweni laseYiputa!

5Wabona uAron, wákha isibingelelo phambi kwalo; wadanduluka uAron wathi, Ngumthendeleko kuYehova ngomso.

6Bavuka kusasa ngengomso, banyusa amadini anyukayo, basondeza imibingelelo yoxolo; bahlala phantsi abantu, badla basela, besuka bema, badlala.

7Wathi uYehova kuMoses, Hamba uhle; kuba abantu bakho, owabanyusayo ezweni laseYiputa, bonakalisile;

8batyeké msinya endleleni endabawisela umthetho ngayo; bazenzéle ithole elityhidiweyo, balinqula, babingelela kulo, bathi, Nanko uthixo wakho, Sirayeli, okunyusileyo ezweni laseYiputa.

9Wathi uYehova kuMoses, Ndibakhangéle aba bantu; uyabona, ngabantu abantamo ilukhuni.

10Kaloku ndíyeke, uvuthe umsindo wam kubo, ndibadle, ndenze wena uhlanga olukhulu.

11UMoses wambongoza uYehova uThixo wakhe, wathi, Yini na, Yehova, ukuba uvuthe umsindo wakho kubantu bakho, obakhuphileyo ezweni laseYiputa ngamandla amakhulu, nangesandla esithe nkqi?

12Yini na ukuba amaYiputa atsho ukuthi, Wabakhuphela ububi, ukuze ababulalele ezintabeni, abagqibele bemke emhlabeni? Buya ekuvutheni komsindo wakho, uzohlwaye ngobubi obo ngenxa yabantu bakho.

13Khumbula uAbraham noIsake noSirayeli, abakhonzi bakho, owazifunga ngokwakho kubo, wathi kubo, Ndiya kuyandisa imbewu yenu ibe njengeenkwenkwezi zezulu, neli lizwe lonke ndithethileyo ngalo, ndiya kulinika imbewu yenu, ilidle ilifa ngonaphakade.

14Wazohlwaya ke uYehova ngobubi abethe uya kubenza ebantwini bakhe.

15Wajika uMoses, wehla entabeni, enamacwecwe omabini esingqino esandleni sakhe, amacwecwe lawo ebhalwe ngamacala omabini, ebhalwe ngapha nangapha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Amacwecwe lawo ebengumsebenzi kaThixo, nombhalo lowo ubungumbhalo kaThixo ukroliwe emacwecweni.

17Waliva uYoshuwa izwi labantu ekudumeni kwabo, wathi kuMoses, Lilizwi lemfazwe eminqubeni.

18Wathi yena, Àsilizwi lakuduma kwabeyisayo, àsilizwi lakukhala kwabeyiswayo; lilizwi labahlabelayo nabavumayo, endilivayo mna.

19Kwathi, xa asondelayo eminqubeni, walibona ithole nomdudo. Wavutha umsindo kaMoses, wawalahla amacwecwe, wawaqhekeza emazantsi entaba.

20Walithabatha ithole ababelenzile, walitshisa ngomlilo, walisila lada lacoleka, waligcwayela emanzini, waseza oonyana bakaSirayeli.

21Wathi uMoses kuAron, Benzé ntoni na aba bantu kuwe, ukuba ubazisele isono esikhulu kangaka?

22Wathi uAron, Umsindo wenkosi yam mawungavuthi. Wena uyabazi aba bantu, ukuba banobubi.

23Bâthi kum, Senzele uthixo oya kuhamba phambi kwethu; kuba lo Moses, le ndoda yasinyusayo ezweni laseYiputa, asazi ukuba uhlelwe yintoni na.

24Ndathi kubo, Ubani onegolide makayiqhawule; bandinika ke. Ndayiphosa emlilweni kwaphuma eli thole.

25Wababona uMoses abantu, ukuba baqhawule umkhala (kuba uAron ebebaqhawulisile umkhala, ukuba babe yintlekisa phakathi kwâbo bachasene nabo);

26wema uMoses ekungeneni eminqubeni, wathi, OngakuYehova makeze kum apha. Bantontelana kuye bonke oonyana bakaLevi.

27Wathi kubo, Ùtsho uYehova uThixo wakwaSirayeli, ukuthi, Mabanxibe elowo ikrele lakhe ethangéni lakhe, bathunge bephuma emasangweni eminquba, babulale elowo umzalwana wakhe, elowo uwabo, elowo ummelwane wakhe.

28Benza oonyana bakaLevi ngokwelizwi likaMoses; kwawa ebantwini loo mini ngathi ngamawaka omathathu amadoda.

29Wathi uMoses, Zimiseleni namhla kuYehova, ukuba umntu achase unyana wakhe nomzalwana wakhe, ithotywe namhla intsikelelo phezu kwenu.

30Kwathi ngengomso, uMoses wathi ebantwini, Nonile nina, nenza isono esikhulu; ndiya kunyuka ngoku ndiye kuYehova; mhlawumbi ndingácamagusha ngenxa yesono senu.

31UMoses wabuya waya kuYehova, wathi, Yoo! Aba bantu bonile, benza isono esikhulu, bazenzela uthixo ngegolide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Khawusixolele ngoko isono sabo; ukuba akunakuba njalo, wose undicima encwadini yakho oyibhalileyo.

33Wathi uYehova kuMoses, Ubani osukuba onile kum, ndiya kucima yena encwadini yam.

34Ke ngoko hamba ubalathise abantu, baye kuloo ndawo ndathethayo ngayo kuwe. Yabona, isithunywa sam sohamba phambi kwakho; ke mini ndivelelayo, ndiya kusivelela isono sabo kubo.

35Ke uYehova wababulala abantu ngenxa yokuba belenzile ithole elo walenzayo uAron.

IEksodus 33

UMoses uthandazela amaSirayeli

1Wathi uYehova kuMoses, Hamba unyuke, umke apha, wena nabantu obanyusileyo ezweni laseYiputa, uye kulo ilizwe endalifungela uAbraham noIsake noYakobi, ndisithi, Ndiya kulinika imbewu yakho.

2Ndothuma phambi kwakho isithunywa, ndiwagxothe amaKanan, nama-Amori, namaHeti, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi;

3niye ezweni elibaleka amasi nobusi; ke andisayi kunyuka phakathi kwenu nina; kuba ningabantu abantamo ilukhuni, hleze ndiniphelise endleleni.

4Baliva ke abantu elo lizwi libi, benza isijwili; akwabakho mntu uzinxibayo izivatho zakhe.

5Wathi uYehova kuMoses, Yithi koonyana bakaSirayeli, Ningabantu abantamo ilukhuni; ndingáthi, ndinyuké phakathi kwenu, ndiniphelise ngephanyazo. Ke ngoko, zikhululeni izivatho zenu, ndize ndazi endokwenza kuni.

6Bazijaca oonyana bakaSirayeli izivatho zabo, beqalela entabeni yaseHorebhe.

7Wayithabatha uMoses intente, wayitwabululela ngaphandle kweminquba, kude neminquba, wathi yintente yokuhlangana. Kwathi ke, bonke abamfunayo uYehova baphuma, baya ententeni leyo yokuhlangana ingaphandle kweminquba.

8Kwathi, xa uMoses aphumayo esiya ententeni leyo, besuka bema bonke abantu, walowo wema emnyango wentente yakhe, wakhangela kuMoses, wada waya kungena ententeni leyo.

9Kwathi, xa uMoses wangenayo ententeni leyo, wehla umqulu welifu, wema emnyango wentente leyo; wathetha yena noMoses.

10Bawubona abantu bonke umqulu welifu, umi emnyango wentente leyo; besuka bema bonke abantu, baza baqubuda, elowo esemnyango wentente yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11UYehova wathetha kuMoses, bekhangelene ebusweni, njengomntu ethetha nomhlobo wakhe, wabuyela kwaseminqubeni; ke umlungiseleli wakhe, uYoshuwa unyana kaNun, umfana, akasukanga yena ententeni leyo.

12Wathi uMoses kuYehova, Uyabona, ùthi kum, Nyusa aba bantu; ke wena akundazisanga lowo ùya kundithuma naye; kanti ke ùthe, Ndikwazile ngegama, kananjalo ndikubabále.

13Ngoko ukuba undibabále, khawundazise indlela yakho, ukuze ndikwazi, ukuze undibabale, ukhumbule ukuba olu hlanga lungabantu bakho.

14Wathi, Ubuso bam bohamba nawe, ndikunike ukuphumla.

15Wathi kuye, Ukuba ubuso bakho abuhambi nathi, musa ukusinyusa, simke apha.

16Kuya kwaziwa kwaziwe ngantoni na khona, ukuba undibabále mna nabantu bakho? Àkungokuthi na uhambe nathi, sibáluleke thina, mna nabantu bakho, ebantwini bonke abaphezu komhlaba?

17Wathi uYehova kuMoses, Nale nto uyithethileyo ndiya kuyenza; kuba ndikubabále, ndikwazile ngegama.

18Wathi yena, Khawundibonise ubuqaqawuli bakho.

19Wathi, Ndiya kukudlulisa konke ukulunga kwam ebusweni bakho, ndivakalise igama likaYehova phambi kwakho, ndibabale endimbabalayo, ndisikwe yimfesane kondosikwa yimfesane ngaye.

20Wathi, Akunakububona ubuso bam; kuba akukho mntu undibona aphile.

21Wathi uYehova, Nantsi ke indawo ngakum; uze ume phezu kweliwa;

22kuthi, ekudluleni kobuqaqawuli bam, ndikubèke emqhokrweni weliwa, ndikugubungele ngesandla sam, ndide ndidlule;

23ndize ndisuse isandla sam, uwubone umva wam. Ke bona ubuso bam abuyi kubonwa.

IEksodus 34

UThixo uhlaziya umnqophiso wakhe namaSirayeli

1Wathi uYehova kuMoses, Ziqingqele amacwecwe amatye abe mabini, njengawokuqala, ndiwabhale emacwecweni lawo amazwi abesemacwecweni okuqala owawaqhekezayo;

2ulunge kusasa, unyuke kusasa, uye entabeni yaseSinayi, ume ngakum khona encotsheni yentaba.

3Kuze kungànyuki mntu nawe, kuze kungábonwa mntu kuyo yonke intaba, kuze kungàdli mpahla imfutshane nankomo, isingise entabeni leyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wawaqingqa amacwecwe amatye amabini, njengawokuqala. Wavuka uMoses kusasa, wenyuka waya entabeni yaseSinayi, njengoko uYehova wamwisela umthetho ngako, waphatha esandleni sakhe amacwecwe amatye omabini.

5Wehla uYehova esefini, wema khona naye, wavakalisa igama likaYehova.

6UYehova wadlula ebusweni bakhe, wavakalisa esithi, UYehova, uYehova, uThixo onemfesane, onobabalo, ozeka kade umsindo, omninzi ngenceba nenyaniso;

7olondolozela amawaka inceba, oxolela ubugwenxa, nokreqo, nesono; ongakhe amenze msulwa onetyala, obuvelelayo ubugwenxa booyise koonyana, nakoonyana boonyana kwesesithathu nakwesesiné isizukulwana!

8Wakhawuleza uMoses, wathoba emhlabeni, waqubuda kuye.

9Wathi, Ukuba undibabále, Nkosi yam, mayihambe phakathi kwethu iNkosi yam; kuba bengabantu abantamo ilukhuni. Xolela ubugwenxa bethu nesono sethu, usenze ilifa lakho.

10Wathi, Yabona, ndènza umnqophiso; ndiya kwenza imisebenzi ebalulekileyo, engazanga idalwe ehlabathini lonke nasezintlangeni zonke, phambi kwabantu bonke bakowenu; bonke abantu ophakathi kwabo wena bowubona umsebenzi kaYehova; ngokuba yinto eyoyikekayo eniya kuyenza kuwe.

11Kúgcine oko ndikuwisela umthetho ngako namhla. Yabona, ndigxotha ebusweni bakho ama-Amori, namaKanan, namaHeti, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi.

12Zígcine, hleze wenze umnqophiso nabemi belo zwe ungena kulo; hleze babe ngumgibe phakathi kwakho.

13Nòzidiliza izibingelelo zabo, niziqhekeze izimiso zabo zamatye, nibagawule ooAshera babo.

14Kuba akusayi kungqula thixo wumbi; kuba uYehova nguKhwele, igama lakhe, nguThixo onekhwele;

15hleze wenze umnqophiso nabemi belo zwe, baze bahenyuze ngokulandela oothixo babo, babingelele koothixo babo, bakubize udle umbingelelo wabo;

16uzekele oonyana bakho ezintombini zabo, zize iintombi zabo zihenyuze ngokulandela oothixo babo, zihenyuzise noonyana bakho, ngokubalandelisa oothixo babo.

17Uze ungazenzeli oothixo abatyhidiweyo.

18Umthendeleko wezonka ezingenagwele uze uwugcine. Iintsuku ezisixhenxe wodla izonka ezingenagwele, njengoko ndakuwisela umthetho, ngexesha elimisiweyo lenyanga enguAbhibhi; kuba waphuma eYiputa ngenyanga enguAbhibhi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Yonke into evula isizalo yeyam, nemfuyo yakho yonke evula isizalo engamaduna, nokuba yinkomo, nokuba yimvu;

20ke lona izibulo le-esile wòlikhulula ngokulimisela ngexhwane; ukuba akuthanga ulikhulule ngokulimisela, wolaphula intamo. Bonke oonyana bakho bamazibulo uze ubakhulule ngokubamisela; mabangabonakali phambi kwam bengaphethe lutho.

21Wòsebenza imihla emithandathu; ke ngomhla wesixhenxe uze uphumle, uphumle ekulimeni nasekuvuneni.

22Uze uwenze umthendeleko weeveki, wentlahlela yokuvunwa kwengqolowa; nomthendeleko wokuhlanganisela ukutya emakhaya ekupheleni komnyaka.

23Izihlandlo ezithathu ngomnyaka, yonke into engamadoda yakowenu yobonakala ebusweni beNkosi uYehova, uThixo kaSirayeli.

24Kuba ndiya kuzigqogqa iintlanga phambi kwakho, ndiwenze banzi umda wakho, lingànqwenelwa nangubani ilizwe lakho, ekunyukeni kwakho usiya kubonakala ebusweni bukaYehova uThixo wakho, izihlandlo ezithathu ngomnyaka.

25Igazi lombingelelo wam uze ungalibingeleli phezu kwento enegwele; nombingelelo womthendeleko wepasika úze ungahlali kude kuse.

26Ingqalo yentlahlela yomhlaba wakho uze uyise endlwini kaYehova uThixo wakho. Uze ungalipheki itakane ngobisi lukanina.

27Wathi uYehova kuMoses, Wabhale la mazwi; kuba ndenzé ngokuthetha kwala mazwi umnqophiso nawe noSirayeli.

28Waye ekhona ke enoYehova iimini ezimashumi mané nobusuku obumashumi mané; akadla sonka, akasela manzi. Wawabhala emacwecweni amazwi omnqophiso, la mazwi alishumi.

UMoses uhla entabeni

29Kwathi, ekuhleni kukaMoses entabeni yaseSinayi, amacwecwe omabini esingqino esesandleni sikaMoses ekuhlèni kwakhe entabeni, àkazi uMoses, ukuba ulùsu lobuso bakhe belukhazimla ekuthetheni kwakhe naye.

30UAron noonyana bonke bakaSirayeli bambona uMoses. Yini? Ulùsu lobuso bakhe luyakhazimla; boyika ukusondela kuye.

31Wababiza uMoses, babuyela kuye uAron nezikhulu zonke zebandla, wathetha nazo uMoses.

32Emveni koko basondela bonke oonyana bakaSirayeli, wabawisela umthetho wako konke abekuthethile uYehova kuye entabeni yaseSinayi.

33Wagqiba uMoses ukuthetha nabo, wabeka isigqubuthelo ebusweni bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Ekungeneni kukaMoses phambi koYehova, esiya kuthetha naye, wasisusa isigqubuthelo, wada waphuma. Waphuma, wathetha koonyana bakaSirayeli oko abemwisele umthetho ngako.

35Babubona oonyana bakaSirayeli ubuso bukaMoses, ukuba ulùsu lobuso bukaMoses luyakhazimla. Wabuya wasibeka uMoses isigqubuthelo ebusweni bakhe, wada wangena, waya kuthetha naye.

IEksodus 35

Izipho ezinikelwa ngenxa yomnquba

1Walibizela ndawonye uMoses lonke ibandla loonyana bakaSirayeli, wathi kubo, Zizo ezi iindawo uYehova aniwisele umthetho ngazo, ukuba nizenze.

2Wòsebenza imihla emithandathu; ke umhla wesixhenxe woba yingcwele kuni, isabatha kasabatha kuYehova; bonke ábenza umsebenzi ngayo bobulawa.

3Ize ningaphembi mlilo ezindlwini zenu zonke ngomhla wesabatha.

4Wathetha uMoses kwibandla lonke loonyana bakaSirayeli, wathi, Yiyo le indawo ayiwisele umthetho uYehova:

5uthi, Thabathani phakathi kwenu, nise umrhumo kuYehova; bonke abantliziyo zibaqhubayo mabazise umrhumo kaYehova: igolide, nesilivere, nobhedu;

6nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, noboya beebhokhwe;

7nezìntsu zeenkunzi zezimvu, zenziwe zayingqombela, nezikhumba zamahlengezi; nemingampunzi;

8neoli yesiphatho sezibane, nobulawu beoli yokuthambisa, nobesiqhumiso esimnandi;

9namatye ebherilo, namatye okufakwa e-efodini naselubengweni.

10Bonke benentliziyo elumkileyo kuni mabeze, benze zonke izinto uYehova awise umthetho ngazo:

11umnquba nentente yawo, nesigubungelo sayo, amagwegwe ayo, neeplanga zayo, nemivalo yayo, neentsika zayo, neziseko zayo;

12ityeya nezibonda zayo, isihlalo sokucamagusha, nomkhusane wokusithelisa;

13itafile nezibonda zayo, neempahla zayo zonke, nezonka zokubonisa;

14isiphatho sezibane zokukhanyisa, nempahla yaso, nezibane zaso, neoli yokukhanyisa;

15isibingelelo sokuqhumisela nezibonda zaso, neoli yokuthambisa, nesiqhumiso esimnandi, nesisitheliso somnyango emnyango womnquba;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16isibingelelo sedini elinyukayo, nothango lwaso lobhedu, nezibonda zaso, neempahla zaso zonke; nohehema lwesitya sokuhlambela, noseko lwalo;

17amawunduwundu entendelezo, neentsika zayo, neziseko zayo, nesisitheliso somnyango wentendelezo;

18izikhonkwane zomnquba, nezikhonkwane zentendelezo, nezintya zazo;

19izambatho zokubusa, zokulungiselela engcweleni, nezambatho ezingcwele zika-Aron umbingeleli, nezambatho zoonyana bakhe zokwenzelelela.

20Lemka ke lonke ibandla loonyana bakaSirayeli phambi koMoses.

21Beza bonke abantu abantliziyo yabavuselelayo, abo bonke bàmoya wabaqhubayo, bawuzisa umrhumo kaYehova emsebenzini wentente yokuhlangana, nasenkonzweni yayo yonke, nasezambathweni ezingcwele.

22Beza, amadoda kwanabafazi, bonke abantliziyo zibaqhubayo, bezisa izacholo, namajikazi, nemisesane, nezidanga, yonke impahla yegolide; bonke abantu ababetshangatshangise kuYehova umtshangatshangiso wegolide, bawuzisa.

23Bonke abantu abafunyanwa benemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, noboya bebhokhwe, nezìntsu zeenkunzi zezimvu zenziwe zayingqombela, nezikhumba zamahlengezi, bazizisa.

24Bonke abarhuma umrhumo wesilivere, nowobhedu, bawuzisa umrhumo kaYehova; bonke ábafunyanwa benemingampunzi yomsebenzi wonke wenkonzo, bayizisa.

25Bonke abafazi abantliziyo zilumkileyo basonta ngezandla zabo, bazizisa ezo nto zisontiweyo; imisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo.

26Abafazi bonke, abantliziyo yabavuselelayo ngobulumko, basonta uboya beebhokhwe.

27Izikhulu zazisa amatye ebherilo, namatye okufakwa e-efodini naselubengweni, nobulawu,

28neoli yesiphatho sezibane, neyamafutha okuthambisa, neyesiqhumiso esimnandi.

29Oonyana bakaSirayeli bazisa ke kuYehova umnikelo wokuqhutywa yintliziyo; nawo onke amadoda nabafazi bonke bantliziyo zabaqhubáyo ukuyizisela yonke imisebenzi awawisa umthetho uYehova ngesandla sikaMoses, ukuba yenziwe.

30Wathi uMoses koonyana bakaSirayeli, Khangelani, UYehova umbizé ngegama uBhetsaleli, unyana kaUri, unyana kaHuri, wesizwe sakwaYuda.

31Umzalisile ngoMoya kaThixo, ngobulumko, nangengqondo, nangokwazi, nangobungcibi bamashishini onke,

32ukuba athelekelele, ayile, asebenze ngegolide nangesilivere nangobhedu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

33nangokukrola amatye, awafake; nangokukrola imithi, asebenze imisebenzi yonke
ngentelekelelo.

34Ubeké entliziyweni yakhe ukuyala, yena ke kwanoAholiyabhi unyana ka-Ahisamaki,
wesizwe sakwaDan.

35Ubazalisé ngobulumko bentliziyo, ukuba benze umsebenzi wonke wokukrola,
nowokuluka, ukuluka imfakamfele, ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen
ecikizekileyo, neyomluki, babe ngabenzi bomsebenzi wonke, nabathelekeleli
bokuyila.

IEksodus 36

Iimpahla zomnquba

1Bosebenza ke ooBhetsaleli noAholiyabhi namadoda onke antliziyo zilumkileyo,
awanikeleyo uYehova ubulumko nengqondo, ukuba akwazi ukusebenza yonke
imisebenzi yenkonzo yengcwele, nento yonke abewise umthetho ngayo uYehova.

2UMoses wabiza ooBhetsaleli noAholiyabhi namadoda onke antliziyo zilumkileyo,
antliziyo uYehova wazinikayo ubulumko, onke antliziyo yawavuselelayo ukusondela
emsebenzini, ukuba awenze.

3Bathabatha, ebusweni bukaMoses, yonke imirhumo ababeyizisile oonyana
bakaSirayeli emsebenzini wenkonzo yengcwele ukuba yenziwe. Baye bona bezisa
kuye imiso ngemiso iminikelo yokuqhutywa yintliziyo.

4Zeza ke zonke izilumko ezibe ziyisebenza yonke imisebenzi yengcwele, saseso savela
emsebenzini waso esibe siwusebenza;

5zatsho kuMoses ukuthi, Abantu bazisa ngaphezulu kakhulu kokwanele
ukusetyenzwa komsebenzi, awise umthetho ngawo uYehova ukuba wenziwe.

6Wawisa umthetho uMoses, ukuba kuhanjiswe ilizwi eminqubeni, lisithi, Amadoda
nabafazi mabangabi senza mpahla yamrhumo wengcwele. Bapheza ke abantu
ukuzisa.

7Impahla yazanela izinto zonke, emisebenzini yonke, ukuba bayenze, yada yasala.

8Bonke abantliziyo zilungileyo, phakathi kwabenza imisebenzi, bawenza umnquba,
amalengalenga aba lishumi, ngelinen ecikizekileyo ephothiweyo, nemisonto emsi
nemfusa nebomvu, benza iikerubhi, umsebenzi wengcibi yokuluka.

9Ubude belengalenga lilinye baba ziikubhite ezimashumi mabini anesibhozo,
ububanzi belengalenga lilinye baba ziikubhite eziné, amalengalenga alingana onke.

10Bahlanganisa amalengalenga amahlanu, elinye nelinye; bahlanganisa
amalengalenga amahlanu, elinye nelinye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Benza amasango ngemisonto emsi emphethweni welinye ilengalenga, ekupheleni ekuhlanganeni; benjenjalo emphethweni welengalenga lokugqibela, ekuhlanganeni kwelesibini.

12Benza amasango aba mashumi mahlanu kwelinye ilengalenga, benza namasango aba mashumi mahlanu ekupheleni kwelengalenga elisekuhlanganeni kwelesibini; amasango alungelelana, elinye nelinye.

13Benza amagwegwe egolide aba mashumi mahlanu; bawahlanganisa amalengalenga, elinye nelinye, ngamagwegwe lawo, waba mnquba mnye.

14Benza amalengalenga ngoboya beebhokhwe, aba yintente phezu komnquba; bawenza amalengalenga alishumi elinalinye.

15Ubude belengalenga lilinye baba ziikubhite ezimashumi mathathu, ububanzi belengalenga lilinye baba ziikubhite eziné; loo malengalenga alishumi elinalinye alingana.

16Bawahlanganisa amalengalenga amahlanu odwa, namalengalenga omathandathu odwa.

17Benza amasango amashumi mahlanu emphethweni welengalenga eli lokugqibela ekuhlanganeni, benza namasango amashumi mahlanu emphethweni welesibini ilengalenga, elihlanganiswe nelinye.

18Benza amagwegwe obhedu amashumi mahlanu, ukuba ihlanganiswe intente, ibe nye.

19Bayenzela intente isigubungelo ngezìntsu zeekunzi zezimvu, zenziwe zayingqombela, nesigubungelo sezikhumba zamahlengezi ngaphezulu kweso.

20Umnquba bawenzela iiplanga ngomngampunzi, zema.

21Ubude beplanga baba ziikubhite ezilishumi, ububanzi beplanga inye baba yikubhite enesiqingatha.

22Iplanga inye yaneempondlo ezimbini, zahlangana olunye nolunye; benjenjalo eziplangeni zonke zomnquba.

23Bazenza ke iiplanga zomnquba; zamashumi mabini iiplanga ngecala lasezantsi ngasezantsi.

24Benza iziseko zesilivere zamashumi mané phantsi kweeplanga ezimashumi mabini; zazibini iziseko zeempondlo zayo zombini, phantsi kweplanga inye; zazibini iziseko zeempondlo zayo zombini, phantsi kweplanga inye.

25Ezecala lesibini lomnquba, ngelasentla icala, benza iiplanga ezimashumi mabini,

26neziseko zazo zesilivere zamashumi mané: iziseko zazibini phantsi kweplanga inye, zazibini iziseko phantsi kweplanga inye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Ezomva womnquba ngasentshonalanga bazenza zantandathu iiplanga.

28Iiplanga ezimbini bazenza iimbombo zomnquba ngamacala, emaphundwini omabini, zangamawele,

29zithabathela ezantsi ukuhlangana, zaba nto-nye kwada kwasa entloko, zaya khonkcweni linye; benjenjalo kuwo omabini angaweembombo zombini.

30Zaba ziiplanga ezisibhozo; neziseko zazo zesilivere zaziziseko ezilishumi elinazithandathu: zazibini iziseko, zazibini iziseko, phantsi kweplanga inye.

31Benza imivalo ngomngampunzi; yamihlanu eziplangeni zelinye icala lomnquba,

32yamihlanu imivalo eziplangeni zelesibini icala lomnquba; yamihlanu imivalo eziplangeni zomnquba ephundwini, ngasentshonalanga.

33Benza umvalo othe gabhu phakathi eziplangeni ezo, wavala, usuka ekupheleni waya ekupheleni.

34Bazaleka iiplanga ngegolide; amakhonkco azo bawenza ngegolide, azindawo zemivalo; ke imivalo bayaléka ngegolide.

35Benza umkhusane ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo; bawenzela iikerubhi, umsebenzi wengcibi yokuluka ke lowo.

36Bawenzela iintsika eziné zomngampunzi ezalekwe ngegolide, namagwegwe azo egolide; bazityhidela iziseko zoziné zesilivere.

37Umnyango wentente bawenzela isisitheliso ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo, umsebenzi oyimfakamfele womluki;

38neentsika zaso zantlanu, namagwegwe azo, bazaleka iintloko zazo neminqiwu yazo ngegolide, neziseko zazo zozihlanu zazezobhedu.

IEksodus 37

Ityeya nesihlalo sokucamagusha

1UBhetsaleli wayenza ityeya ngomngampunzi. Ubude bayo baba ziikubhite zombini ezinesiqingatha, ububanzi bayo baba yikubhite enesiqingatha, ukuphakama kwayo kwayikubhite enesiqingatha.

2Wayaléka ngegolide ecocekileyo ngaphakathi nangaphandle, wayithi jize ngesithsaba segolide.

3Wayityhidela amakhonkco egolide amané, emilenzeni yayo yominé: amakhonkco amabini ngeli icala, amakhonco amabini ngeliya icala.

4Wenza izibonda ngomngampunzi, wazaleka ngegolide;

5wazifaka izibonda ezo emakhonkcweni asemacaleni etyeya, ukuba ithwalwe ngazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wenza isihlalo sokucamagusha ngegolide ecocekileyo. Ubude baso baba ziikubhite ezimbini ezinesiqingatha, ububanzi baso baba yikubhite enesiqingatha.

7Wenza iikerubhi zambini ngegolide, ukuzenza wazikhanda; zavela eziphelweni zozibini zesihlalo sokucamagusha:

8enye ikerubhi ivelé esiphelweni esi, enye ikerubhi ivelé esiphelweni esiya. Wazenza iikerubhi esihlalweni sokucamagusha, zavela eziphelweni zaso zozibini.

9Iikerubhi zolula amaphiko phezulu, zasisithelisa ngamaphiko azo isihlalo sokucamagusha; ubuso bazo bakhangelana, babheka esihlalweni sokucamagusha ubuso beekerubhi.

10Wenza netafile ngomngampunzi; ubude bayo baba ziikubhite ezimbini, ububanzi bayo baba yikubhite, ukuphakama kwayo kwaba yikubhite enesiqingatha.

11Wayaléka ngegolide ecocekileyo, wayithi jize ngesithsaba segolide.

12Wayenzela ngeenxa zonke udini olungangobubanzi besandla, udini lwayo waluthi jize ngesithsaba segolide.

13Wayityhidela amakhonkco egolide amané, wawafaka amakhonkco ezimbombeni zoné ezisemilenzeni yayo yominé.

14Aba kufuphi nokuhlangana kodini amakhonkco lawo, aba ziindawo zokufaka izibonda zokuyithwala itafile.

15Wenza izibonda ezo ngomngampunzi, wazaleka ngegolide, ukuba ithwalwe ngazo itafile.

16Wenza impahla ephezu kwetafile, izikotile zayo, nemicephe yayo, neenkamba zayo, neendebe zayo ekwakuthululwa ngazo, wazenza ngegolide ecocekileyo.

17Wenza nesiphatho sezibane ngegolide ecocekileyo. Ukusenza wasikhanda isiphatho eso, nesikhondo saso, nesibili saso, neendebe zaso, namaqhina aso, neentyantyambo zaso, zivelé kwakuso.

18Amasebe amathandathu avela emacaleni aso: amasebe amathathu esiphatho avela kweli icala laso, amasebe amathathu esiphatho avela kweliya icala laso.

19Zaba ntathu iindebe ezifana neentyantyambo zeamangile kweli isebe, zineqhina nentyantyambo; neendebe ezintathu ezifana neentyantyambo zeamangile zaba kweliya isebe, zineqhina nentyantyambo. Kwaba njalo kumasebe omathandathu avela esiphathweni eso.

20Zaba né iindebe esiphathweni ezifana neentyantyambo zeamangile, zinamaqhina aso neentyantyambo zaso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Yaba liqhina phantsi kwamasebe amabini livela kuso, yaliqhina phantsi kwamasebe amabini livela kuso, yaliqhina phantsi kwamasebe amabini livela kuso, angawamasebe amathandathu avela kuso.

22Amaqhina awo namalungu awo avela kuso sonke, saba ngumkhando wamnye wegolide ecocekileyo.

23Wenza izibane zaso zasixhenxe, nezifinyiso zaso, neengcedevu zaso, ngegolide ecocekileyo.

24Wasenza ngetalente yegolide ecocekileyo, neempahla zaso zonke.

25Wenza nesibingelelo sokuqhumisela ngomngampunzi. Ubude baso baba yikubhite, ububanzi baso baba yikubhite, saba mbombo-né; ukuphakama kwaso kwaziikubhite ezimbini; zaphuma kuso iimpondo zaso.

26Wasaleka ngegolide ecocekileyo umphezulu waso, namacala aso ngeenxa zonke, neempondo zaso, wasithi jize ngesithsaba segolide.

27Wasenzela amakhonkco amabini ngegolide, phantsi kwesithsaba saso ezimbombeni zaso ezimbini, emacaleni aso omabini, aziindawo zezibonda ukuba sithwalwe ngazo.

28Wazenza izibonda ngomngampunzi, wazaleka ngegolide.

29Wenza neoli engcwele yokuthambisa, nesiqhumiso esimnandi esingàngxengelelweyo, umsebenzi womqholi ke lowo.

IEksodus 38

Iimpahla zomnquba

1Wasenza nesibingelelo sedini elinyukayo ngomngampunzi: ubude baso baba ziikubhite ezintlanu, ububanzi baso baba ziikubhite ezintlanu, sambombo-né; ukuphakama kwaso kwaziikubhite ezintathu.

2Wenza iimpondo zaso ezimbombeni zaso, zaphuma kuso iimpondo zaso, wasaleka ngobhedu.

3Wazenza zonke iimpahla zesibingelelo eso: iinkamba, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza, neefolokhwe, neengcedevu; zonke iimpahla zaso wazenza ngobhedu.

4Isibingelelo wasenzela uthango, umsebenzi ongumnatha, ngobhedu, phantsi kongqameko olujikelezileyo, lwathabathela ezantsi, lwathi gabhu phakathi.

5Wawatyhida amakhonkco amané eziphelweni zoziné zothango lobhedu, aba ziindawo zezibonda.

6Wenza izibonda ngomngampunzi, wazaleka ngobhedu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Wazifaka izibonda emakhonkcweni, emacaleni esibingelelo, ukuba sithwalwe ngazo; wasenza ngeeplanga saholoholo.

8Wenza uhehema lwesitya sokuhlambela ngobhedu, noseko lwalo ngobhedu, nezipili zabafazi, ababekhonza emnyango wentente yokuhlangana.

9Wenza intendelezo kwelasezantsi icala, ngasezantsi, yaba ngamawunduwundu entendelezo, elinen ecikizekileyo, ephothiweyo, iikubhite ezilikhulu.

10Iintsika zawo zaba mashumi mabini, neziseko zazo zaba mashumi mabini, zazezobhedu; amagwegwe eentsika neminqiwu yazo yayeyesilivere.

11Ngecala lasentla amawunduwundu aziikubhite ezilikhulu; iintsika zawo ezimashumi mabini, neziseko zazo ezimashumi mabini, zazezobhedu; amagwegwe eentsika neminqiwu yazo yayeyesilivere.

12Ngecala lasentshonalanga amawunduwundu aziikubhite ezimashumi mahlanu; iintsika zawo zalishumi, neziseko zazo zalishumi; amagwegwe eentsika neminqiwu yazo yayeyesilivere.

13Ngecala lempumalanga ngasempumalanga aziikubhite ezimashumi mahlanu.

14Amawunduwundu asingisa kwelinye icala lesango aziikubhite ezilishumi elinantlanu; iintsika zawo zantathu, neziseko zazo zazithathu.

15Ngelinye icala lesango lentendelezo, ngapha nangapha, aba ngamawunduwundu eekubhite ezilishumi elinantlanu; iintsika zawo zantathu, neziseko zazo zazithathu.

16Onke amawunduwundu entendelezo ajikelezileyo aba ngawelinen ecikizekileyo, ephothiweyo.

17Iziseko zeentsika zazezobhedu; amagwegwe eentsika neminqiwu yazo yayeyesilivere, nokwalekwa kwamantloko azo kwayisilivere; iminqiwu yeentsika zonke zentendelezo yayeyesilivere.

18Isitheliso sesango lentendelezo sasingumsebenzi oyimfakamfele womluki, ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo; ubude baba ziikubhite ezimashumi mabini, ukuphakama ebubanzini kwaba ziikubhite ezintlanu; kwalungelelana namawunduwundu entendelezo.

19Iintsika zawo zoné neziseko zazo zoziné zaba zezobhedu; amagwegwe azo aba ngawesilivere, nokwalekwa kwamantloko azo neminqiwu yazo kwayisilivere.

20Zonke izikhonkwane zomnquba nezentendelezo ejikelezileyo zazezobhedu.

21Ngawo la amanani ezinto zomnquba, zomnquba wesingqino, abebalwa ngomlomo kaMoses ngenkonzo yabaLevi, ngesandla sikaItamare, unyana ka-Aron umbingeleli.

22UBhetsaleli, unyana kaUri, unyana kaHuri, wesizwe sakwaYuda, wakwenza konke uYehova abemwisele umthetho ngako uMoses.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

23Waye noAholiyabhi unyana ka-Ahisamaki, wesizwe sakwaDan, engumkroli, ingcibi, umluki weemfakamfele ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo.

24Ke yonke igolide ekwakusetyenzwa ngayo umsebenzi emisebenzini yonke yengcwele, igolide yomtshangatshangiso, yaye iziitalente ezimashumi mabini anesithoba, neeshekele ezimakhulu asixhenxe anamanci mathathu, ngokweshekele yengcwele.

25Ke isilivere yabo babalwáyo bebandla yaba likhulu leetalente neeshekele eziliwaka elinamakhulu asixhenxe anamanci asixhenxe anantlanu, ngokweshekele yengcwele.

26Yaba yibheka ngentloko yomntu (isiqingatha seshekele leyo, ngokweshekele yengcwele), kubo bonke abagqithelayo kwabo babalwáyo; bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, nangaphezulu, kubo abangamawaka angamakhulu omathandathu anamawaka amathathu, anamakhulu amahlanu anamanci mahlanu.

27Ngeetalente zesilivere ezilikhulu kwatyhidwa iziseko zengcwele neziseko zomkhusane; yalikhulu leziseko kwikhulu leetalente, yayitalente kwisiseko.

28Ngeeshekele eziliwaka elinamakhulu asixhenxe anamanci asixhenxe anantlanu, wenza amagwegwe eentsika, wawaleka amantloko azo, wenza iminqiwu.

29Ubhedu olungumtshangatshangiso lwaye luziitalente ezingamashumi osixhenxe, neeshekele ezingamawaka amabini anamakhulu mané.

30Wenza ngalo iziseko zomnyango wentente yokuhlangana, nesibingelelo sobhedu, nothango lwaso lobhedu, nempahla yonke yesibingelelo;

31neziseko zentendelezo ejikelezileyo, neziseko zesango lentendelezo, nezikhonkwane zonke zomnquba, nezikhonkwane zonke zentendelezo ejikelezileyo.

IEksodus 39

Izivatho zobubingeleli

1Ngemisonto emsi nemfusa nebomvu benza izambatho zokubusa, zokulungiselela engcweleni; benza nezambatho ezingcwele zika-Aron, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

2Iefodi wayenza ngegolide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo.

3Bayikhanda igolide yaba zizixwexwe ezicekethekileyo, bancwela imityana, ukuze bayixube emisontweni emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, umsebenzi wengcibi yokuluka ke lowo.

4Iefodi bayenzela iziziba zamagxa zokuyixakatha, yaxakathwa emiphethweni yomibini;

© 1975 Bible Society of South Africa.

5nombhinqo ophezu kwayo wokuyinxiba iefodi, ophuma kuyo, wawunjengokusetyenzwa kwayo; bawenza ngegolide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, ephothiweyo, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

6Benza amatye ebherilo, abhijelwe ngomluko wegolide, akrolwa ngokukrolwa kwemisesane yokutywina, ngokwamagama oonyana bakaSirayeli;

7wawabeka ezizibeni zamagxa ze-efodi, aba ngamatye esikhumbuzo koonyana bakaSirayeli, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

8Walwenza ubengo, lwaba ngumsebenzi wengcibi yokuluka, njengokwenziwa kwe-efodi, ngegolide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo.

9Lwaba mbombo-né, lwaphindwa, balwenza ubengo; ubuda balo baba ngangokolulwa kweminwe, ububanzi balo baba ngangokolulwa kweminwe luphindiwe.

10Bafaka kulo imikrozo yaminé yamatye; ukrozo lwesardiyo, netopazi, nesmarado, lwaba lukrozo lokuqala olo;

11ukrozo lwesibini lwaba yirubhi, nesafire, nekalikedo;

12ukrozo lwesithathu lwaba yihakinto, neagati, neametiste;

13ukrozo lwesiné lwaba yikrizolite, nebherilo, neyaspisi; abhijelwa ngomluko wegolide ezimfakweni zawo.

14Amatye lawo amiswa ngokwamagama oonyana bakaSirayeli abalishumi elinababini, ngokwamagama abo; aba nokrolo lomsesane wokutywina, lathi elo laba negama lalo, ngokwezizwe ezilishumi elinazibini.

15Benza elubengweni intsontelo ethe shinyi, umsebenzi osontiweyo ngegolide ecocekileyo.

16Benza imiluko yamibini ngegolide, namakhonkco amabini ngegolide, bawafaka loo makhonkco mabini emancamini omabini obengo.

17Bazifaka iintsontelo zombini zegolide emakhonkcweni omabini asemancamini obengo;

18namancam omabini eentsontelo zombini bawafaka emilukweni yomibini, bayifaka ezizibeni zamagxa ze-efodi, ngaphambili.

19Benza amakhonkco amabini ngegolide, bawafaka emancamini omabini obengo, emphethweni walo okwicala elikhangelene ne-efodi, elibheke ngaphakathi.

20Benza amanye amakhonkco amabini ngegolide, bawafaka ezizibeni zamagxa zozibini ze-efodi ngaphantsi, mayela nomphambili wayo, kufuphi nokuhlangana kwayo, entla kombhinqo we-efodi.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Balunxibelela ubengo ngamakhonkco alo, emakhonkcweni e-efodini, ngentsontelo yemisonto emsi, lwaba sentla kombhinqo we-efodi, ukuze lungasuki ubengo kuyo iefodi, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

22Benza ingubo yokwaleka ye-efodi, umsebenzi womluki, yonke ngemisonto emsi.

23Umqala wengubo yokwaleka waba sesazulwini sayo, njengomqala wesigcina-sifuba; waba nomphetho owujikelezileyo umqala, ukuze ungakrazuki.

24Benza emqukumbelweni wengubo yokwaleka iirharnate ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ephothiweyo.

25Benza namankenteza egolide ecocekileyo, bawabeka amankenteza phakathi kweerharnate emqukumbelweni wengubo yokwaleka, kwazunguleza phakathi kweerharnate:

26yaba linkenteza nerharnate, inkenteza nerharnate, emqukumbelweni wengubo yokwaleka, kwazunguleza; ukuba kulungiselelwe njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

27Benza iingubo zangaphantsi ngelinen ecikizekileyo, umsebenzi womluki, ukuba zibe zezika-Aron noonyana bakhe; nonkontsho, ngelinen ecikizekileyo;

28neminqwazi yokuhomba, ngelinen ecikizekileyo; neebhulukhwe, ngelinen ecikizekileyo, ephothiweyo, emhlophe;

29nombhinqo, ngelinen ecikizekileyo, ephothiweyo, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, umsebenzi oyimfakamfele womluki, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

30Benza nembasa, isithsaba esingcwele segolide ecocekileyo, babhala phezu kwayo umbahlo ngokrolo lomsesane wokutywina, othi, INGCWELE KUYEHOVA.

31Bayifaka umtya wemisonto emsi, yanxitywa elunkontshweni phezulu, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

32Wagqitywa ke wonke umsebenzi womnquba wentente yokuhlangana. Benza oonyana bakaSirayeli njengako konke uYehova ebemwisele umthetho ngako uMoses, benjenjalo.

33Bawuzisa umnquba kuMoses: intente nempahla yayo yonke, amakhonkco ayo, neeplanga zayo, nemivalo yayo, neentsika zayo, neziseko zayo;

34nesigubungelo sezintsu zeenkunzi zezimvu, zenziwe zayingqombela, nesigubungelo sezikhumba zamahlengezi, nomkhusane osithelisayo;

35netyeya yesingqino, nezibonda zayo, nesihlalo sokucamagusha;

36netafile, neempahla zayo zonke, nezonka zokubonisa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

37nesiphatho sezibane esihle, nezibane zaso, izibane ezicwangcisiweyo, nempahla yaso yonke, neoli yokukhanyisa;

38nesibingelelo segolide, neoli yokuthambisa, nesiqhumiso esimnandi, nesisitheliso sokusithelisa umnyango wentente;

39nesibingelelo sobhedu, nothango lwaso lobhedu, izibonda zaso, nempahla yaso yonke; uhehema lwesitya sokuhlambela noseko lwalo;

40namawunduwundu entendelezo, neentsika zayo, neziseko zayo, nesisitheliso sesango lentendelezo, nemitya yayo, nezikhonkwane zayo, nempahla yonke yenkonzo yomnquba, yentente yokuhlangana;

41nezambatho zokubusa, zokulungiselela engcweleni; nezambatho ezingcwele zika-Aron umbingeleli, nezambatho zoonyana bakhe zokwenzelelela.

42Njengako konke uYehova abemwisele umthetho uMoses, bawenjalo oonyana bakaSirayeli wonke umsebenzi.

43Wawukhangela uMoses wonke umsebenzi, nango ke bewenzile; njengoko uYehova abemwisele umthetho ngako, bawenjenjalo. Wabasikelela ke uMoses.

IEksodus 40

Ukwakhiwa komnquba

1Wathetha uYehova kuMoses wathi, Ngenyanga yokuqala, ngolokuqala usuku enyangeni leyo,

2uze uwumise umnquba wentente yokuhlangana;

3ubeke khona ityeya yesingqino, uyisithelise ityeya ngomkhusane;

4ungenise itafile, uzicwangcise izinto zayo ezicwangciswayo; ungenise isiphatho sezibane, uzimise izibane zaso;

5usimise isibingelelo segolide sokuqhumisela phambi kwetyeya yesingqino, usixhome isisitheliso somnyango emnqubeni;

6usimise isibingelelo sedini elinyukayo phambi komnyango womnquba wentente yokuhlangana;

7ulumise uhehema lwesitya sokuhlambela phakathi kwentente yokuhlangana nesibingelelo, ugalele amanzi kulo.

8Uze uyimise intendelezo ijikeleze, usixhome isisitheliso sesango lentendelezo.

9Uze uthabathe ioli yokuthambisa, uthambise umnquba neento zonke ezikuwo, uwungcwalise nempahla yawo yonke, ube yingcwele;

10uthambise isibingelelo sedini elinyukayo, nempahla yaso yonke, usingcwalise isibingelelo, sibe sisibingelelo esiyingcwele kangcwele;

© 1975 Bible Society of South Africa.

11uthambise uhehema lwesitya sokuhlambela, noseko lwalo, ulungcwalise.

12Uze usondeze uAron noonyana bakhe emnyango wentente yokuhlangana, ubahlambe ngamanzi;

13umnxibe uAron izambatho ezingcwele, umthambise, umngcwalise, ukuze abe ngumbingeleli kum.

14Wòsondeza oonyana bakhe, ubanxibe iingubo zangaphantsi;

15ubathambise njengoko wamthambisayo uyise, ukuze babe ngababingeleli kum; kuthi ukuthanjiswa kwabo kube kokobubingeleli obungunaphakade kubo, kwizizukulwana zabo.

16Wenza ke uMoses; njengako konke uYehova abemwisele umthetho ngako, wenjenjalo.

17Kwathi, ngenyanga yokuqala ngomnyaka wesibini, ngolokuqala enyangeni leyo, wamiswa umnquba.

18Wawumisa ke uMoses umnquba, wazibeka iziseko zawo, wazimisa iiplanga zawo, wayifaka imivalo yawo, wazimisa iintsika zawo.

19Wayaneka intente phezu komnquba, wabeka isigubungelo sentente phezu kwayo phezulu, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

20Wasithabatha isingqino, wasibeka etyeyeni, wazifaka izibonda etyeyeni, wasibeka isihlalo sokucamagusha phezu kwetyeya phezulu.

21Wayingenisa ityeya emnqubeni, wawuxhoma umkhusane osithelisayo, wayisithelisa ityeya yesingqino, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

22Wayibeka itafile ententeni yokuhlangana, ngecala lomnquba elingasentla, nganeno komkhusane;

23wacwangcisa phezu kwayo ukucwangciswa kwezonka phambi koYehova, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

24Wasimisa isiphatho sezibane ententeni yokuhlangana, sakhangelana netafile ngecala lomnquba elingasezantsi;

25wazimisa izibane phambi koYehova, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

26Wasibeka isibingelelo segolide ententeni yokuhlangana, phambi komkhusane.

27Waqhumisela phezu kwaso ngesiqhumiso esimnandi, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

28Wasixhoma isisitheliso somnyango emnqubeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Wasibeka isibingelelo sedini elinyukayo emnyango womnquba wentente yokuhlangana; wanyusa kuso idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

30Walubeka uhehema lwesitya sokuhlambela phakathi kwentente yokuhlangana nesibingelelo eso, wagalela amanzi okuhlamba kulo.

31Bazihlamba ooMoses noAron noonyana bakhe izandla zabo neenyawo zabo khona.

32Ekungeneni kwabo ententeni yokuhlangana, nasekusondeleni kwabo esibingelelweni, bahlamba, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

33Wayimisa intendelezo ejikeleza umnquba lo nesibingelelo esi, wasixhoma isisitheliso sesango lentendelezo. Wawugqiba ke uMoses umsebenzi.

34Ilifu layigubungela intente yokuhlangana, ubuqaqawuli bukaYehova bawuzalisa umnquba.

35UMoses akaba nakungena ententeni yokuhlangana, ngokuba ilifu lahlala phezu kwayo, ubuqaqawuli bukaYehova bawuzalisa umnquba.

36Belisithi lakunyuswa lisuswe ilifu emnqubeni, banduluke oonyana bakaSirayeli, benjenjalo ekundulukeni kwabo konke.

37Ke xa ilifu belingekanyuswa, bebenganduluki kude kube yimini yokunyuswa kwalo;

38kuba ilifu likaYehova beliba phezu komnquba emini, umlilo ube phezu kwawo ebusuku, phambi kwendlu yonke kaSirayeli, ekundulukeni kwabo konke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

ILevitikus

ILevitikus 1

Umsondezo wedini elinyukayo

1UYehova wambiza uMoses, wathetha kuye ententeni yokuhlangana, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Xa umntu kuni asondeza kuYehova umsondezo wasezintweni ezizitho ziné, nowusondeza loo msondezo wenu niwuthabatha ezinkomeni nasempahleni emfutshane.

3Ukuba umsondezo wakhe ulidini elinyukayo lasezinkomeni, wósondeza inkomo eliduna eligqibeleleyo emnyango wentente yokuhlangana, alisondeze ukuba limkholekise phambi koYehova.

4Wocinezela ngesandla sakhe phezu kwentloko yedini elo linyukayo, limkholekise, limcamagushele;

5alixhele ithole elo lenkomo phambi koYehova. Oonyana baka-Aron, ababingeleli, bolisondeza igazi balitshize, bajikelezise esibingelelweni esisemnyango wentente yokuhlangana.

6Makalihlinze indini elinyukayo, alityatye;

7oonyana baka-Aron umbingeleli babeke umlilo phezu kwesibingelelo, bacwangcise iinkuni phezu komlilo;

8bazicwangcise oonyana baka-Aron, ababingeleli, iinyama ezo, nentloko, nenqatha, phezu kweenkuni eziphezu komlilo ophezu kwesibingelelo.

9Ke zona izibilini zalo, neentungo zalo mazihlanjwe ngamanzi, aqhumisele ngezo nto zonke umbingeleli esibingelelweni. Lidini elinyukayo, kukudla kwasemlilweni, livumba elithozamisayo kuYehova elo.

10Ukuba umsondezo wakhe ngowasempahleni emfutshane, nokuba kusezigusheni, nokuba kusezibhokhweni, úlidini elinyukayo, wósondeza iduna eligqibeleleyo;

11alixhelele ecaleni lesibingelelo ngasentla phambi koYehova; bathi oonyana baka-Aron, ababingeleli, balitshize igazi lalo bajikelezise esibingelelweni;

12alityatye, kwanentloko yalo nenqatha lalo, azicwangcise ezo nto umbingeleli phezu kweenkuni eziphezu komlilo ophezu kwesibingelelo;

13azihlambe izibilini neentungo ngamanzi, azisondeze umbingeleli zonke ezo nto, aqhumisele ngazo esibingelelweni. Lidini elinyukayo, kukudla kwasemlilweni, livumba elithozamisayo kuYehova elo.

14Ke ukuba umsondezo wakhe kuYehova ulidini elinyukayo lasezintakeni, wówusondeza umsondezo wakhe, ethabatha kumahobe, nokuba kukumagobo amavukuthu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Wolisondeza umbingeleli esibingelelweni, aliqhawule intloko, aqhumisele ngalo esibingelelweni, igazi lalo likhanyelwe ecaleni lesibingelelo.

16Aze asuse indlelo yalo kunye nento ephakathi kwalo, azilahlele ecaleni lesibingelelo elingasempumalanga, ezaleni;

17alicande emaphikweni alo, engawahluli kanye, aqhumisele ngalo umbingeleli esibingelelweni, phezu kweenkuni eziphezu komlilo. Lidini elinyukayo, kukudla kwasemlilweni, livumba elithozamisayo kuYehova elo.

ILevitikus 2

Umsondezo womnikelo wokudla

1Ke xa ubani asondeza umsondezo ongumnikelo wokudla kuYehova, umsondezo wakhe lowo woba ngumgubo ocoliweyo, agalele ioli phezu kwawo, abeke intlaka emhlophe phezu kwawo.

2Wówuzisa koonyana baka-Aron, ababingeleli, aze umbingeleli asube kuwo, azalise isandla sakhe emgubeni ocoliweyo naseolini apho, kunye nentlaka emhlophe yawo yonke, aqhumisele umbingeleli esibingelelweni ngesikhumbuzo sawo. Kukudla kwasemlilweni, livumba elithozamisayo kuYehova elo.

3Okuseleyo komnikelo wokudla koba kokuka-Aron noonyana bakhe; iyingcwele kangcwele yasekudleni kwasemlilweni kukaYehova leyo.

4Xa usondeza umsondezo ongumnikelo wokudla okosiweyo ezikweni lezonka, woba yimiqhathane engenagwele yomgubo ocoliweyo, egalelwe ioli, nezonkana ezisicaba ezingenagwele, ezithanjiswe ioli.

5Ke ukuba umsondezo wakho ungumnikelo wokudla okungepani, woba ngumgubo ocoliweyo ongenagwele, ugalelwe ioli.

6Wòwuqhekeza ube ngamaqhekeza, ugalele ioli phezu kwawo: ngumnikelo wokudla ke lowo.

7Ke ukuba umsondezo wakho ungumnikelo wokudla okuphekiweyo ngembiza, mawenziwe ngomgubo ocoliweyo, oneoli.

8Uze uwuzise umnikelo wokudla owenziweyo ngezo nto kuYehova, uwusondeze kumbingeleli, awuse esibingelelweni;

9asuse umbingeleli emnikelweni wokudla isikhumbuzo sawo, aqhumisele ngaso esibingelelweni. Kukudla kwasemlilweni, livumba elithozamisayo kuYehova elo.

10Okuseleyo komnikelo wokudla koba kokuka-Aron noonyana bakhe; iyingcwele kangcwele yasekudleni kwasemlilweni kukaYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Yonke iminikelo yokudla eniya kuyisondeza kuYehova, mayingènziwa ngagwele; kuba igwele lonke, nobusi bonke, aniyi kuqhumisela ngezo nto zibe kukudla kwasemlilweni kukaYehova.

12Ningázisondeza kuYehova zibe ngumsondezo wokuqala; mazinganyuswa esibingelelweni, ukuba zibe livumba elithozamisayo.

13Yonke imisondezo eyiminikelo yakho yokudla wòyigalela ityuwa; uze umgavumi ukuba isweleke ityuwa yomnqophiso woThixo wakho eminikelweni yakho yokudla. Imisondezo yakho yonke woyisondeza inetyuwa.

14Ukuba usondeza umnikelo wokudla wentlahlela kuYehova, oyinto esizilwayo ehle yavuthwa, wosondeza ikhweba, umnikelo wokudla wentlahlela yakho.

15Uze uyibeke ioli phezu kwalo, ubeke nentlaka emhlophe phezu kwalo; ngumnikelo wokudla ke lowo.

16Woqhumisela umbingeleli ngesikhumbuzo sawo kuloo nto yawo isizilwayo, nakwioli yawo, kunye nentlaka emhlophe yawo yonke. Kukudla kwasemlilweni kuYehova oko.

ILevitikus 3

Umsondezo wombingelelo woxolo

1Ke ukuba umsondezo wakhe ungumbingelelo woxolo: ukuba uwusondeza ungowasezinkomeni, nokuba yeliduna, nokuba yelithokazi, wólisondeza ligqibelele phambi koYehova.

2Maze acinezele entlokweni yomsondezo wakhe ngesandla sakhe, awuxhelele emnyango wentente yokuhlangana; oonyana baka-Aron, ababingeleli, balitshize igazi bajikelezise esibingelelweni;

3asondeze ukudla kwasemlilweni kuYehova, ethabathe embingelelweni woxolo; umhlehlo ogubungele izibilini, namanqatha onke asezibilinini,

4nezintso zombini, nenqatha lazo, nelisemihlubulweni, nomhlehlo ophezu kwesibindi, ewususa ngasezintsweni.

5Boqhumisela ngezo nto oonyana baka-Aron esibingelelweni phezu kwedini elinyukayo, eliphezu kweenkuni eziphezu komlilo. Kukudla kwasemlilweni, livumba elithozamisayo kuYehova elo.

6Ukuba umsondezo wakhe ngowasempahleni emfutshane, úngumbingelelo woxolo kuYehova, nokuba yeliduna, nokuba yelithokazi, wólisondeza ligqibelele.

7Ukuba itakane elo lisondezwayo lingumsondezo wakhe, wólisondeza phambi koYehova,

© 1975 Bible Society of South Africa.

8acinezele phezu kwentloko yomsondezo wakhe ngesandla sakhe, awuxhelele phambi kwentente yokuhlangana; oonyana baka-Aron balitshize igazi, bajikelezise esibingelelweni.

9Wósondeza ukudla kwasemlilweni kuYehova, ethabathe embingelelweni woxolo inqatha lawo, umsila uphela ewunqamla kuntlahlahlungulu, nomhlehlo ogubungele izibilini, namanqatha onke asezibilinini,

10nezintso zombini, nenqatha lazo, nelisemihlubulweni, nomhlehlo ophezu kwesibindi, ewususa ngasezintsweni.

11Woqhumisela ngezo nto umbingeleli esibingelelweni. Kukudla kwasemlilweni kuYehova oko.

12Ke ukuba umsondezo wakhe uyibhokhwe, wóyisondeza phambi koYehova,

13acinezele ngesandla sakhe phezu kwentloko yayo, ayixhelele phambi kwentente yokuhlangana; oonyana baka-Aron balitshize igazi layo, bajikelezise esibingelelweni.

14Wósondeza ukudla kwasemlilweni kuYehova, ethabathe emsondezweni wakhe umhlehlo ogubungele izibilini, namanqatha onke asezibilinini,

15nezintso zombini, nenqatha lazo, nelisemihlubulweni, nomhlehlo ophezu kwesibindi, ewususa ngasezintsweni.

16Woqhumisela ngezo nto umbingeleli esibingelelweni. Kukudla kwasemlilweni, livumba elithozamisayo.

17Onke amanqatha ngaka Yehova. Ngummiselo ongunaphakade ezizukulwaneni zenu, emakhayeni enu onke, ukuba ningadli nqatha nagazi.

ILevitikus 4

Umsondezo wombingelelo wesono

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Xa athe ubani wona ngokulahlekana nomthetho kaYehova, nokuba nguwuphi na, wezinto ezingezakwenziwa, wenza enye kuzo:

3ukuba umbingeleli othanjisiweyo uthe wona, bazeka ityala abantu: wosondeza kuYehova ngenxa yesono sakhe oné ngaso inkunzi entsha, ithole lenkomo eligqibeleleyo, libe lidini lesono.

4Wóyizisa inkunzi entsha emnyango wentente yokuhlangana phambi koYehova, acinezele ngesandla sakhe phezu kwentloko yenkunzi entsha, ayixhelele inkunzi entsha phambi koYehova.

5Umbingeleli othanjisiweyo wocaphula egazini lenkunzi entsha, alizise ententeni yokuhlangana;

© 1975 Bible Society of South Africa.

6awuthi nkxu umbingeleli umnwe wakhe egazini, afefe ngenxalenye yelo gazi izihlandlo zosixhenxe phambi koYehova, phambi komkhusane wengcwele;

7ayidyobhe umbingeleli inxalenye yegazi ezimpondweni zesibingelelo sesiqhumiso esimnandi esiphambi koYehova, esisententeni yokuhlangana; ke lonke igazi lenkunzi entsha aliphalazele esisekweni sesibingelelo sedini elinyukayo, esisemnyango wentente yokuhlangana.

8Amanqatha onke enkunzi entsha yedini lesono maze awasuse kulo: umhlehlo ogubungele izibilini, namanqatha onke asezibilinini,

9nezintso zombiní, nenqathalazo, nelisemihlubulweni, nomhlehlo ophezu kwesibindi, ewususa ngasezintsweni,

10njengoko asuswayo enkomeni yombingelelo woxolo. Woqhumisela ngawo umbingeleli esibingelelweni sedini elinyukayo.

11Ke isikhumba senkunzi entsha, nenyama yayo yonke, kunye nentloko yayo, kunye neentungo zayo, nezibilini zayo, nomswane wayo,

12yonke inkunzi entsha, wóyikhuphela ngaphandle kweminquba, ayise endaweni emhlophe, apho kuphalazwa khona uthuthu, ayitshise phezu kweenkuni ngomlilo, itshiswe apho kuphalazwa khona uthuthu.

13Ke ukuba lonke ibandla lakwaSirayeli lithe lalahleka, yafihlakala loo nto emehlweni esikhungu, benza into kumthetho kaYehova nokuba nguwuphi na, wento engeyakwenziwa, bazeka ityala,

14saza sazíwa isono aboné ngaso: isikhungu sosondeza inkunzi entsha, ithole lenkomo, libe lidini lesono, balizise phambi kwentente yokuhlangana.

15Ocinezela amadoda amakhulu ebandla ngezandla zawo phezu kwentloko yenkunzi entsha leyo, phambi koYehova, ayixhelele inkunzi entsha phambi koYehova.

16Umbingeleli othanjisiweyo woyizisa inxalenye yegazi lenkunzi entsha ententeni yokuhlangana;

17awuthi nkxu umbingeleli umnwe wakhe egazini, afefe izihlandlo zosixhenxe phambi koYehova, phambi komkhusane;

18inxalenye yegazi ayidyobhe ezimpondweni zesibingelelo esiphambi koYehova, esisententeni yokuhlangana, igazi lonke aliphalazele esisekweni sesibingelelo sedini elinyukayo, esisemnyango wentente yokuhlangana.

19Wowasusa amanqatha onke kulo, aqhumisele ngawo esibingelelweni.

20Makenze kule nkunzi intsha njengoko wenza kwinkunzi entsha yedini lesono, enjenjalo nakule, umbingeleli abacamagushele; boxolelwa ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Woyikhuphela inkunzi entsha ngaphandle kweminquba, ayitshise njengoko wayitshisayo inkunzi entsha yokuqala. Lidini lesono lesikhungu elo.

22Xa kuthe kona isikhulu, senza into ngokulahlekana nomthetho kaYehova uThixo waso, nokuba nguwuphi na, wento engeyakwenziwa, sazeka ityala;

23ukuba sithe satyhilwa kuso isono saso esoné ngaso: sozisa umsondezo waso, ixhonti lebhokhwe elililuna eligqibeleleyo.

24Socinezela ngesandla saso phezu kwentloko yebhokhwe exhonti, siyixhelele apho kuxhelelwa khona idini elinyukayo phambi koYehova. Lidini lesono ke elo.

25Umbingeleli wocaphula egazini ledini lesono ngomnwe wakhe, alidyobhe ezimpondweni zesibingelelo sedini elinyukayo, igazi lalo aliphalazele esisekweni sesibingelelo sedini elinyukayo;

26aqhumisele ngamanqatha alo onke esibingelelweni, njengamanqatha ombingelelo woxolo, umbingeleli asicamagushele ngesono saso; soxolelwa ke.

27Ukuba ubani othile wasebantwini balo ilizwe uthe wona ngokulahleka, ngokwenza into kumthetho kaYehova, nokuba nguwuphi na, wento engeyakwenziwa, wazeka ityala;

28ukuba sithe satyhilwa kuye isono sakhe oné ngaso: wózisa umsondezo wakhe, ixhonti elilithokazi lebhokhwe, eligqibeleleyo, ngenxa yesono sakhe oné ngaso.

29Wocinezela ngesandla sakhe phezu kwentloko yedini lesono, alixhelele idini lesono endaweni yedini elinyukayo.

30Umbingeleli wocaphula egazini lalo ngomnwe wakhe, alidyobhe ezimpondweni zesibingelelo sedini elinyukayo, igazi lalo lonke aliphalazele esisekweni sesibingelelo.

31Wowasusa onke amanqatha alo, njengoko asuswayo amanqatha ombingelelo woxolo, aqhumisele ngawo umbingeleli esibingelelweni, libe livumba elithozamisayo kuYehova; umbingeleli amcamagushele; woxolelwa ke.

32Ukuba ke umsondezo wakhe wedini lesono uyimvana, wózisa ithokazi eligqibeleleyo;

33acinezele ngesandla sakhe phezu kwentloko yedini lesono, alixhelele idini lesono apho kuxhelelwa khona idini elinyukayo.

34Umbingeleli wocaphula egazini ledini lesono ngomnwe wakhe, alidyobhe ezimpondweni zesibingelelo sedini elinyukayo, igazi lalo lonke aliphalazele esisekweni sesibingelelo.

35Maze awasuse onke amanqatha alo, njengoko asuswayo amanqatha emvana kumbingelelo woxolo, aqhumisele ngawo umbingeleli esibingelelweni, phezu kokudla kwasemlilweni kukaYehova, umbingeleli amcamagushele ngesono sakhe oné ngaso; woxolelwa ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

ILevitikus 5

1Ke ubani xa athe wona ngokuthi, elivile izwi lesifungo sokuzishwabulela, elingqina ke, nokuba ubonile, nokuba uyazi, angàxeli: wobuthwala ubugwenxa bakhe.

2Ubani osukuba echukumisa into yonke eyinqambi, nokuba sisidumbu sezinto eziphilileyo eziziinqambi, nokuba sisidumbu sezinto ezizitho ziné eziziinqambi, nokuba sisidumbu sesinambuzane esiyinqambi, engakwazi oko: uyinqambi, uzeké ityala.

3Xa athe wachukumisa ubunqambi bomntu, ubunqambi bakhe bonke ayinqambi ngabo, engakwazi oko, waza wabuya wakwazi oko: uzeké ityala.

4Xa ke ubani athe wafunga, waphololoza ngomlomo wakhe, esithi, uya kwenza into, nokuba imbi, nokuba ilungile, ezintweni zonke athe waziphololoza umntu ngesifungo, engakwazi oko, waza wabuya wakwazi oko: uzeké ityala nangayiphi kwezo nto.

5Kothi ke, xa athe wazeka ityala nangayiphi kwezo nto, ayivume into oné ngayo;

6alizise idini letyala lakhe kuYehova, ngenxa yesono sakhe oné ngaso, azise ithokazi lasempahleni emfutshane, imvanazana nokuba litakanekazi lebhokhwe exhonti, libe lidini lesono, aze umbingeleli amcamagushele ngesono sakhe.

7Ukuba ke isandla sakhe sithe asaba nakuyifumana into elingana netakane, wózisa kuYehova idini letyala lakhe oné ngalo, amahobe abe mabini, nokuba ngamagobo evukuthu abe mabini, elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo.

8Wowazisa kumbingeleli, asondeze eledini lesono kuqala, aliqhawule intloko ngasentanyeni, angalahluli kanye;

9afefe ngenxalenye yegazi ledini lesono ecaleni lesibingelelo, eliseleyo igazi likhanyelwe esisekweni sesibingelelo.

10Lidini lesono ke elo. Elesibini maze alenze idini elinyukayo ngokwesiko, umbingeleli amcamagushele ngesono sakhe oné ngaso; woxolelwa ke.

11Ukuba ke isandla sakhe sithe asaba nakuwafumana amahobe amabini, nokuba ngamagobo evukuthu amabini, wozisa umsondezo wakhe lowo wonileyo, ube sisahlulo seshumi se-efa yomgubo ocoliweyo, ube lidini lesono, angabeki oli phezu kwawo, angabeki ntlaka imhlophe phezu kwawo; kuba lidini lesono elo.

12Wowuzisa kumbingeleli, umbingeleli asube kuwo, sizale isandla sakhe, aqhumisele ngesikhumbuzo salo esibingelelweni, phezu kokudla kwasemlilweni kukaYehova.

13Lidini lesono ke elo. Umbingeleli womcamagushela ngesono sakhe oné ngaso, nangayiphi kwezo nto; woxolelwa ke. Oseleyo woba ngowombingeleli, njengomnikelo wokudla.

Umsondezo wedini letyala

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

15Xa ubani athe wamemeza, wona ezintweni ezingcwele zikaYehova ngokulahleka, wozisa idini letyala lakhe kuYehova, inkunzi yemvu egqibeleleyo yasempahleni emfutshane, iyeyeeshekele zesilivere ngokweshekele yengcwele ngokulinganisela kwakho, ibe lidini letyala.

16Nento oné kuyo ezintweni ezingcwele, makayimisele, ongeze isahlulo sesihlanu phezu kwayo, ayinike umbingeleli; umbingeleli amcamagushele ngenkunzi yemvu yedini letyala; woxolelwa ke.

17Nokuba ubani uthe wona, wenza into kumthetho kaYehova, nokuba nguwuphi na, wento engeyakwenziwa, engazi: uzeké ityala, ubuthwele ubugwenxa bakhe.

18Wozisa kumbingeleli inkunzi yemvu egqibeleleyo yasempahleni emfutshane, ngokulinganisela kwakho, ibe lidini letyala; umbingeleli amcamagushele ngokulahleka kwakhe alahleke ngako, engazi; woxolelwa ke.

19Lidini letyala ke elo; unetyala okunene kuYehova.

ILevitikus 6

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Xa ubani athe wona ngokumeneza, emeneza kuYehova, wayikhanyela kummelwane wakhe into ebibekwe kuye, nokuba yinto esisibambiso, nokuba yinto exhakamfulweyo, nokuba umcudisile ummelwane wakhe,

3nokuba ufumene into ebidukile wayikhanyela, wafunga ubuxoki ezintweni zonke azenzileyo, esona ngazo:

4wóthi, xa athe wona, wazeka ityala, ayibuyise loo nto ixhakamfulweyo, abeyixhakamfule, nento ecudisiweyo, abeyicudisile, nento ebekiweyo, ebibekiwe kuye, nento ebidukile wayifumana,

5nento yonke abeyifungele ubuxoki. Woyibuyekeza ngangenani layo, ongeze phezu kwalo isahlulo sesihlanu salo, ayinike osukuba engumniniyo ngomhla wedini lakhe letyala.

6Wólizisa idini letyala lakhe kuYehova, kumbingeleli, inkunzi yemvu egqibeleleyo yasempahleni emfutshane, ngokulinganisela kwakho, ibe lidini letyala.

7Umbingeleli womcamagushela phambi koYehova, axolelwe ke ezintweni zonke azenzileyo, wazeka ityala ngazo.

Izalathiso kubabingeleli malunga namadini

8Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wisela uAron noonyana bakhe umthetho, uthi, Nguwo lo umyalelo wedini elinyukayo: lona idini elinyukayo lotsha eziko phezu kwesibingelelo ubusuku bonke kude kuse, nomlilo wesibingelelo uhlale usitsha kulo.

10Umbingeleli makambathe ingubo yakhe yelinen emhlophe, ambathe nebhulukhwe yelinen emhlophe enyameni yakhe, asuse uthuthu lomlilo odle idini elinyukayo phezu kwesibingelelo, alubeke ecaleni lesibingelelo;

11ahlube iingubo zakhe ezo, ambathe ngubo zimbi, aphume nothuthu, aye nalo ngaphandle kweminquba, endaweni emhlophe.

12Ke umlilo ophezu kwesibingelelo mawuhlale usitsha kuso, ungacimi; umbingeleli abáse iinkuni phezu kwawo imiso ngemiso, acwangcise phezu kwawo idini elinyukayo, aqhumisele phezu kwalo ngamanqatha ombingelelo woxolo.

13Umlilo wohlala usitsha esibingelelweni, ungacimi.

14Nguwo lo umyalelo womnikelo wokudla: oonyana baka-Aron mabawusondeze phambi koYehova, phambi kwesibingelelo;

15asube kuwo, azalise isandla emgubeni ocoliweyo womnikelo wokudla, naseolini yawo, nasentlakeni emhlophe yonke ephezu komnikelo wokudla, aqhumisele ngezo nto esibingelelweni. Livumba elithozamisayo, sisikhumbuzo sawo kuYehova eso.

16Okuseleyo kuwo kodliwa nguAron noonyana bakhe, kudliwe kungenagwele endaweni engcwele, bakudle entendelezweni yentente yokuhlangana.

17Makungosiwa okunegwele; sisabelo sabo endibanike sona ekudleni kwasemlilweni; yingcwele kangcwele, njengedini lesono, nanjengedini letyala.

18Yonke into eyindoda phakathi koonyana baka-Aron yowudla. Ngummiselo ongunaphakade ezizukulwaneni zenu wasekudleni kwasemlilweni kukaYehova: bonke abasukuba bezichukumisa ezo nto boba ngcwele.

19Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

20Nguwo lo umsondezo ka-Aron noonyana bakhe, abowusondeza kuYehova ngomhla wokuthanjiswa kwakhe: isahlulo seshumi se-efa yomgubo ocoliweyo, ube ngumnikelo wokudla wamaxesha onke, ube sisiqingatha kusasa, ube sisiqingatha ngokuhlwa;

21wenziwe ngeoli epanini, uwuzise ukroqiwe, uwusondeze ungamaqhekeza ngokomnikelo wokudla wamaqhekeza, ube livumba elithozamisayo kuYehova.

22Umbingeleli othanjisiweyo esikhundleni sakhe wowenza koonyana bakhe. Ngummiselo ongunaphakade kuYehova: koqhunyiselwa ngawo uphela;

23wonke umnikelo wokudla wombingeleli kuqhunyiselwe ngawo uphela, ungàdliwa.

24Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Thetha kuAron nakoonyana bakhe, uthi, Nguwo lo umyalelo wedini lesono: apho kuxhelelwa khona idini elinyukayo, loxhelelwa khona idini lesono phambi koYehova; liyingcwele kangcwele lona.

26Umbingeleli olenzayo idini lesono wolidla; lodliwa endaweni engcwele, entendelezweni yentente yokuhlangana.

27Bonke abasukuba bechukumisa inyama yalo boba ngcwele; nabasukuba bechaphazela iingubo ngegazi lalo, boyihlamba loo nto ichatshazelweyo endaweni engcwele.

28Ke yona impahla yodongwe eliphekwe ngayo mayiqhekezwe; ukuba lithe laphekwa ngempahla yobhedu, yoguxwa, ixukuxwe ngamanzi.

29Yonke into eyindoda phakathi kwababingeleli yolidla: liyingcwele kangcwele lona.

30Ke lonke idini lesono, ekuziswe inxalenye yegazi lalo ententeni yokuhlangana, ukuba kucanyagushwe engcweleni, malingàdliwa, malitshiswe ngomlilo.

ILevitikus 7

1Nguwo lo umyalelo wedini letyala: liyingcwele kangcwele lona.

2Apho kuxhelelwa khona idini elinyukayo, loxhelelwa khona idini letyala, negazi lalo litshizwe lijikelezise esibingelelweni.

3Wosondeza onke amanqatha alo akulo, umsila, nomhlehlo ogubungela izibilini, nezintso zombini,

4nenqatha lazo, nelisemihlubulweni, nomhlehlo ophezu kwesibindi, ewususa ngasezintsweni;

5aqhumisele ngezo nto umbingeleli esibingelelweni. Kukudla kwasemlilweni kuYehova, lidini letyala ke elo.

6Yonke into eyindoda phakathi kwababingeleli yolidla; lodliwa endaweni engcwele; liyingcwele kangcwele lona.

7Njengoko linjalo idini lesono, linjalo idini letyala: mnye umyalelo kuwo omabini; umbingeleli ocamagusha ngalo, loba lelakhe.

8Umbingeleli osondeza idini elinyukayo lomntu, isikhumba sedini elinyukayo alisondezayo soba sesombingeleli.

9Nomnikelo wonke wokudla owosiwa ezikweni lezonka, nawo wonke owenzelwa epanini nasembizeni, woba ngowombingeleli owusondezayo.

10Ke umnikelo wonke wokudla ogalelwe ioli, nowomileyo, woba ngowoonyana bonke baka-Aron, omnye abe njengomnye.

11Nguwo lo umyalelo wombingelelo woxolo, aya kuwusondeza kuYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ukuba úthe wasondeza ngenxa yombulelo, wosondeza phezu kombingelelo wombulelo imiqhathane engenagwele egalelwe ioli, nezonkana ezisicaba ezingenagwele, zithanjiswe ioli, nomgubo ocoliweyo, okroqiweyo, oyimiqhathane egalelwe ioli.

13Kunye nemiqhathane yesonka esingenagwele, wosondeza umsondezo wakhe phezu kombingelelo wakhe wombulelo ongowoxolo;

14asondeze ube mnye othatyathwe emsondezweni wonke, ube ngumrhumo kuYehova, ube ngowombingeleli olitshizayo igazi lombingelelo woxolo.

15Nenyama yombingelelo wakhe wombulelo ongowoxolo yodliwa ngomhla wokusondeza kwakhe, kungashiywa nento kuyo kude kuse.

16Ke ukuba umbingelelo womsondezo wakhe uthe waba ngowesibhambathiso, nokuba ngowokuqhutywa yintliziyo, wodliwa ngomhla wokusondeza kwakhe umbingelelo wakhe; okuseleyo kuwo kudliwe ngengomso.

17Ke okuseleyo enyameni yombingelelo kwada kwangumhla wesithathu makutshiswe ngomlilo.

18Ukuba kuthe kwadliwa, nokuba yintwana le yenyama yombingelelo wakhe woxolo, ngomhla wesithathu, awusayi kumkholekisa owusondezayo, awusayi kubalelwa kuye; woba yimbozisa. Ubani odlayo kuwo wobuthwala ubugwenxa bakhe.

19Nenyama efike entweni yonke eyinqambi mayingadliwa; yotshiswa ngomlilo. Ke yona inyama, bonke abahlambulukileyo boyidla inyama;

20ubani osukuba esidla inyama yombingelelo woxolo ongokaYehova, enobunqambi bakhe, loo mntu wonqanyulwa, angabikho ebantwini bakowabo.

21Xa athe ubani wachukumisa into eyinqambi, nokuba bubunqambi bomntu, nokuba bubunqambi bezinto ezizitho ziné eziziinqambi, nokuba yinto yonke enezothe eyinqambi, waza wadla inyama yombingelelo woxolo ongokaYehova, wonqanyulwa loo mntu, angabikho ebantwini bakowabo.

22Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

23Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Ize ningadli nqatha lankomo, namvu, nabhokhwe.

24Inqatha lento ezifeleyo, nenqatha lento eqwengiweyo, ningásebenza ngalo emisebenzini yonke; ke ukulidla ningalidli.

25Kuba bonke abalidlayo inqatha lezinto ezizitho ziné, abazisondezileyo zaba kukudla kwasemlilweni kuYehova, loo mntu ulidlayo wonqanyulwa, angabikho ebantwini bakowabo.

26Ize ningadli gazi emakhayeni enu onke, nelantaka, nelazinto zizizitho ziné.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Wonke ubani osukuba esidla nto iligazi, loo mntu wonqanyulwa, angabikho ebantwini bakowabo.

28Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

29Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Lowo usondeza umbingelelo wakhe woxolo kuYehova, ukuwuzisa umsondezo wakhe kuYehova, wówuthabatha kumbingelelo wakhe woxolo lowo.

30Izandla zakhe zókuzisa ukudla kwasemlilweni kukaYehova: inqatha eliphezu kwencum wolizisa kunye nencum, ukuba litshangatshangiswe libe ngumtshangatshangiso phambi koYehova.

31Umbingeleli woqhumisela ngenqatha elo esibingelelweni; ke yona incum ibe yeka-Aron neyoonyana bakhe;

32umlenze wasekunene niwunike umbingeleli, ube ngumrhumo kumbingeleli emibingelelweni yenu yoxolo.

33Lowo phakathi koonyana baka-Aron, usondeza igazi lombingelelo woxolo nenqatha, umlenze wasekunene woba ngowakhe, ube sisabelo sakhe.

34Kuba incum yomtshangatshangiso, nomlenze womrhumo, ndiwuthabathile koonyana bakaSirayeli emibingelelweni yabo yoxolo; ndiwuniké uAron umbingeleli, noonyana bakhe, ukuba ube ngummiselo ongunaphakade koonyana bakaSirayeli.

35Ezo nto ngumxhesho ka-Aron, nomxhesho woonyana bakhe, ekudleni kwasemlilweni kukaYehova, ngomhla awabasondezáyo ukuba babe ngababingeleli kuYehova;

36awawisa umthetho uYehova, ngomhla wokubathambisa kwakhe, ukuba bawunikwe ngoonyana bakaSirayeli; ube ngummiselo ongunaphakade lowo ezizukulwaneni zabo.

37Nguwo lowo umyalelo wedini elinyukayo, nowomnikelo wokudla, nowedini lesono, nowedini letyala, nowokumisela,

38nowombingelelo woxolo, awamwisela umthetho ngawo uYehova uMoses, entabeni yaseSinayi, ngomhla wokubawisela kwakhe umthetho oonyana bakaSirayeli, ukuba basondeze imisondezo yabo kuYehova, entlango yaseSinayi.

ILevitikus 8

Ukungcwaliswa kuka-Aron noonyana bakhe babe ngababingeleli

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thabatha ooAron noonyana bakhe kunye naye, nezambatho ezo, neoli yokuthambisa, nenkunzi entsha yenkomo yedini lesono, neenkunzi zezimvu zibe mbini, nengobozi yezonka ezingenagwele;

© 1975 Bible Society of South Africa.

3ulibizele ndawonye lonke ibandla emnyango wentente yokuhlangana.

4Wenza uMoses ngoko uYehova wamwisela umthetho ngako; walibizela ndawonye ibandla emnyango wentente yokuhlangana.

5Wathi uMoses kwibandla, Yiyo le into awise umthetho ngayo uYehova ukuba yenziwe.

6UMoses wabasondeza ke ooAron noonyana bakhe, wabahlamba ngamanzi.

7Wamnxiba ingubo yangaphantsi, wambhinqisa umbhinqo, wamambathisa ngengubo yokwaleka, wamnxiba iefodi, wambhinqisa umbhinqo we-efodi, wayibhinqa ngawo;

8wamnxiba ubengo; elubengweni wafaka iiUrim neeTumim;

9wamfaka unkontsho entloko; elunkontshweni ngaphambili wabeka imbasa yegolide, isithsaba esingcwele, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

10Wayithabatha uMoses ioli yokuthambisa, wawuthambisa umnquba neento zonke ezikuwo, wazingcwalisa;

11wafefa ngenxalenye yayo esibingelelweni izihlandlo zosixhenxe, wasithambisa isibingelelo nempahla yaso yonke, nohehema lwesitya sokuhlambela, noseko lwalo, ukuba zingcwaliswe ezo zinto.

12Wagalela inxalenye yeoli yokuthambisa kuAron entloko, wamthambisa ukuba angcwaliswe.

13UMoses wabasondeza oonyana baka-Aron, wabanxiba iingubo zangaphantsi, wababhinqisa umbhinqo, wababopha iminqwazi, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

14Wasondeza inkunzi entsha yenkomo yedini lesono, bacinezela ooAron noonyana bakhe ngezandla zabo phezu kwentloko yenkunzi entsha yedini lesono.

15Yaxhelwa ke; walithabatha uMoses igazi, walidyobha wajikelezisa ezimpondweni zesibingelelo ngomnwe wakhe, isibingelelo wasihlambulula sona, waliphalazela igazi esisekweni sesibingelelo, wasingcwalisa, ukuba asicamagushele.

16Wawathabatha onke amanqatha asezibilinini, nomhlehlo wesibindi, nezintso zombini, nenqatha lazo, waqhumisela ngezo zinto uMoses esibingelelweni.

17Ke inkunzi entsha yenkomo, nesikhumba sayo, nenyama yayo, nomswane wayo, wayitshisa ngomlilo ngaphandle kweminquba, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

18Wayisondeza inkunzi yemvu yedini elinyukayo; bacinezela ooAron noonyana bakhe ngezandla zabo phezu kwentloko yenkunzi yemvu.

19Yaxhelwa ke; uMoses walitshiza igazi, wajikelezisa esibingelelweni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

20inkunzi yemvu wayityatya; waqhumisela uMoses ngentloko, nenyama, nenqatha.

21Wazihlamba izibilini neentungo ngamanzi, waqhumisela uMoses ngenkunzi yemvu iphela esibingelelweni. Lidini elinyukayo elo lokuba livumba elithozamisayo; kukudla kwasemlilweni oko kuYehova, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

22Wayisondeza neyesibini inkunzi yemvu, inkunzi yemvu yokumisela; bacinezela ooAron noonyana bakhe ngezandla zabo phezu kwentloko yenkunzi yemvu.

23Yaxhelwa ke; wacaphula uMoses egazini layo, walidyobha esithinzini sendlebe yasekunene ka-Aron, nasesithupheni sesandla sakhe sokunene, nakubhontsi wonyawo lwakhe lwasekunene.

24Wasondeza oonyana baka-Aron, uMoses wadyobha inxalenye yegazi esithinzini sendlebe yabo yasekunene, nasesithupheni sesandla sabo sokunene, nakubhontsi wonyawo lwabo lwasekunene. UMoses walitshiza igazi, wajikelezisa esibingelelweni.

25Walithabatha inqatha, nomsila, namanqatha onke asezibilinini, nomhlehlo wesibindi, nezintso zombini, nenqatha lazo, nomlenze wasekunene;

26engobozini yezonka ezingenagwele, ephambi koYehova, wathabatha umqhathane ongenagwele wamnye, nomqhathane wesonka esineoli wamnye, nesonkana esisicaba sasinye, wabeka phezu kwamanqatha naphezu komlenze wasekunene.

27Wazibeka zonke ezo zinto ezandleni zika-Aron, nasezandleni zoonyana bakhe, wazitshangatshangisa, zaba ngumtshangatshangiso phambi koYehova.

28Wazithabatha uMoses ezandleni zabo, waqhumisela ngazo esibingelelweni, phezu kwedini elinyukayo: zaba lumiselo, laba livumba elithozamisayo, kwaba kukudla kwasemlilweni kuYehova oko.

29Wayithabatha uMoses incum, wayitshangatshangisa, yaba ngumtshangatshangiso phambi koYehova; inkunzi yemvu yomiselo yasisabelo sikaMoses, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

30Wacaphula uMoses eolini yokuthambisa, nasegazini elisesibingelelweni, wafefa kuAron nasezambathweni zakhe, nakoonyana bakhe, nasezambathweni zoonyana bakhe kunye naye, wamngcwalisa uAron nezambatho zakhe, noonyana bakhe nezambatho zoonyana bakhe kunye naye.

31Wathi uMoses kooAron noonyana bakhe, Yiphekeni inyama emnyango wentente yokuhlangana, niyidle khona apho, nesonka esisengobozini yomiselo, njengoko ndawisayo umthetho, ndisithi, OoAron noonyana bakhe boyidla.

32Into eseleyo yenyama neyesonka noyitshisa ngomlilo.

33Ize ningaphumi emnyango wentente yokuhlangana, imihla esixhenxe, kude kube ngumhla wokuzaliseka kwemihla yokumiselwa kwenu; kuba bonimisela imihla esixhenxe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Njengoko kwenziwe ngako namhla, uYehova uwise umthetho ukuba kwenjiwe njalo ukunicamagushela.

35Nòhlala emnyango wentente yokuhlangana, imini nobusuku, imihla esixhenxe, nigcine isigxina sikaYehova, ukuze ningafi; kuba ndiwiselwe umthetho ngokunjalo.

36Benza ooAron noonyana bakhe zonke izinto abewise umthetho ngazo uYehova ngesandla sikaMoses.

ILevitikus 9

Ukugosiswa kuka-Aron noonyana bakhe babe ngababingeleli

1Kwathi ngomhla wesibhozo, uMoses wabiza uAron noonyana bakhe, namodada amakhulu akwaSirayeli.

2Wathi kuAron, Zithabathele ithole, inkonyana yenkomo, ibe lidini lesono, nenkunzi yemvu ibe lidini elinyukayo, ezo zinto zigqibelele, uzisondeze phambi koYehova;

3uthethe koonyana bakaSirayeli, uthi, Thabathani inkunzi exhonti yebhokhwe, ibe lidini lesono; nethole nemvana ezimnyaka mnye, ezigqibeleleyo, zibe lidini elinyukayo;

4nenkomo nenkunzi yemvu, zibe ngumbingelelo woxolo wokubingelelwa phambi koYehova; nomnikelo wokudla ogalelwe ioli: ngokuba namhla uYehova uya kubonakala kuni.

5Bakuthabatha oko uMoses wawisa umthetho ngako, bakuzisa phambi kwentente yokuhlangana; lasondela lonke ibandla, lema phambi koYehova.

6Wathi uMoses, Lilo eli ilizwi uYehova awise umthetho ngalo ukuba nilenze: bobonakala ke ubuqaqawuli bukaYehova kuni.

7Wathi uMoses kuAron, Sondela esibingelelweni, wenze idini lakho lesono, nedini lakho elinyukayo, uzicamagushele okwakho nokwabantu; wenze umsondezo wabantu, ubacamagushele, njengoko uYehova wawisayo umthetho.

8Wasondela ke uAron esibingelelweni, walixhela ithole ledini lesono elilelakhe.

9Balisondeza oonyana baka-Aron igazi kuye, wawuthi nkxu umnwe wakhe egazini, walidyobha ezimpondweni zesibingelelo, waliphalazela igazi esisekweni sesibingelelo.

10Ke inqatha, nezintso, nomhlehlo osesibindini, edinini lesono, waqhumisela ngezo zinto esibingelelweni, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

11Ke inyama nesikhumba wazitshisa ngomlilo ngaphandle kweminquba.

12Walixhela idini elinyukayo, oonyana baka-Aron balizisa kuye igazi; walitshiza wajikelezisa esibingelelweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Balizisa kuye nedini elinyukayo ngeenyama zalo, nentloko yalo; waqhumisela ngezo nto esibingelelweni.

14Wazihlamba izibilini neentungo, waqhumisela ngezo zinto phezu kwedini elinyukayo esibingelelweni.

15Wasondeza umsondezo wabantu, wathabatha ibhokhwe yedini lesono eyeyabantu, wayixhela, wenza idini lesono njengelokuqala.

16Wasondeza nedini elinyukayo, walenza ngokwesiko.

17Wawusondeza umnikelo wokudla, wazalisa isandla sakhe ngawo, waqhumisela ngawo esibingelelweni, ngaphezu kwedini elinyukayo lakusasa.

18Wayixhela inkomo nenkunzi yemvu yombingelelo woxolo ongowabantu, balizisa oonyana baka-Aron igazi kuye, walitshiza, wajikelezisa esibingelelweni;

19namanqatha enkomo nawenkunzi yemvu, nomsila wayo, nomhlehlo, nezintso, nomhlehlo wesibindi.

20Bawabeka loo manqatha phezu kwazo iincum, waqhumisela ngamanqatha esibingelelweni.

21Ke iincum ezo, nomlenze lowo wasekunene, wazitshangatshangisa uAron zaba ngumtshangatshangiso phambi koYehova, njengoko wamwiselayo umthetho uMoses.

22UAron waziphakamisela ebantwini izandla zakhe, wabasikelela; wehla ke ekulenzeni idini lesono, nedini elinyukayo, nombingelelo woxolo.

23Bangena ooMoses noAron ententeni yokuhlangana; baphuma ke babasikelela abantu: babonakala ubuqaqawuli bukaYehova kubo bonke abantu.

24Kwaphuma umlilo ebusweni bukaYehova, walidla idini elinyukayo, namanqatha aphezu kwesibingelelo; babona bonke abantu, baduma, bawa ngobuso.

ILevitikus 10

Isono sikaNadabhi noAbhihu nokufa kwabo

1Ke kaloku oonyana baka-Aaron abangooNadabhi noAbhihu bathabatha elowo ugcedevu lwakhe, babeka umlilo kulo, babeka phezu kwawo isiqhumiso, basondeza phambi koYehova umlilo ongesesikweni, abengabawiselanga mthetho ngawo.

2Kwaphuma umlilo ebusweni bukaYehova, wabadla; bafa phambi koYehova.

3Wathi uMoses kuAron, Yilaa nto wayithethayo uYehova, wathi, Ndozingcwalisela abasondela kum, ndizizukise ebusweni babantu bonke; wathi cwaka uAron.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4UMoses wabiza uMishayeli noElitsafan, oonyana bakaUziyeli, uyisekazi ka-Aron, wathi kubo, Sondelani nibathwale abazalwana benu, nibasuse phambi kwengcwele, nibasé ngaphandle kweminquba.

5Basondela ke, babathwalela ngaphandle kweminquba, beneengubo zabo zangaphantsi, njengoko watshoyo uMoses.

6Wathi uMoses kuAron, nakuElazare, nakuItamare, oonyana bakhe, Musani ukuziyeka ziyakazele iinwele zenu, ningazikrazuli iingubo zenu, ukuze ningafi, nokuze umsindo ungalifikeli ibandla lonke; abazalwana benu, yonke indlu kaSirayeli, bangákulilela bona ukutshisa akutshisileyo uYehova.

7Ize ningaphumi emnyango wentente yokuhlangana, hleze nife; kuba ioli yokuthambisa kaYehova iphezu kwenu. Benza ke ngokwelizwi likaMoses.

8Wathetha uYehova kuAron, esithi,

9Musa ukusela wayini nasiselo sinxilisayo, wena noonyana bakho kunye nawe, ekungeneni kwenu ententeni yokuhlangana, ukuze ningafi. Ngummiselo ongunaphakade ezizukulwaneni zenu ke lowo;

10ukuze kwahlulwe okungcwele kokuhlambelayo, nokuyinqambi kokuhlambulukileyo;

11nokuze bayalwe oonyana bakaSirayeli ngemimiselo yonke awayithethayo uYehova kubo ngoMoses.

12Wathetha uMoses kuAron, nakuElazare nakuItamare, oonyana bakhe abaselayo, wathi, Thabathani umnikelo wokudla oseleyo ekudleni kwasemlilweni kukaYehova, niwudle ungenagwele ecaleni lesibingelelo; kuba uyingcwele kangcwele lowo.

13Nize niwudle endaweni engcwele, kuba úmiselwe wena, úmiselwe oonyana bakho, ekudleni kwasemlilweni kukaYehova; kuba ndiwiselwe umthetho ngokunjalo.

14Ke incum yomtshangatshangiso nomlenze womrhumo, ezo nto nozidla endaweni emhlophe, wena noonyana bakho neentombi zakho kunye nawe; kuba zimiselwe wena, zimiselwe oonyana bakho; zenizinikiweyo emibingelelweni yoxolo yoonyana bakaSirayeli.

15Umlenze womrhumo nencum yomtshangatshangiso yoziswa nokudla kwasemlilweni kwamanqatha, ukuba itshangatshangiswe ibe ngumtshangatshangiso phambi koYehova, ibe ngowakho noonyana bakho kunye nawe; ibe ngummiselo ongunaphakade, njengoko uYehova wawisayo umthetho.

16Ibhokhwe yedini lesono wayifuna kunene uMoses. Yini? Itshisiwe. Waba noburhalarhume ngakuElazare noItamare, oonyana baka-Aaron abaseleyo, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kutheni na le nto ningalidlanga idini lesono endaweni engcwele? Kuba liyingcwele kangcwele; uniniké lona ukuze nibuthwale ubugwenxa bebandla, ukuze nilicamagushele phambi koYehova.

18Yabonani, alingeniswanga igazi lalo engcweleni phakathi; ninge nilidlile okunene engcweleni, njengoko ndawisa umthetho.

19Wathetha uAron kuMoses, esithi, Yabona, namhlanje basondeze idini labo lesono, nedini labo elinyukayo phambi koYehova; ndahlelwa zezi zinto. Ukuba bendilidlile idini lesono namhla, bekuya kulunga yini na emehlweni kaYehova?

20Weva uMoses; kwalunga emehlweni akhe.

ILevitikus 11

Iinyama ezidliwayo neziyinqambi

1Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi kubo,

2Thethani koonyana bakaSirayeli, nithi, Zizo ezi izinto eziphilileyo enodla zona ezintweni zonke ezizitho ziné ezisehlabathini:

3zonke izinto ezithiwe gqiphu uphuphu, ezimpuphu zicandwe kubini, ezetyisa umtyiso, ezintweni ezizitho ziné, nozidla ezo.

4Zezi zodwa eningayi kuzidla kwezetyisa umtyiso, nakwezithiwe gqiphu uphuphu: inkamela, ngokuba ityisa umtyiso, ke ayiluthe gqiphu uphuphu, iyinqambi kuni;

5nembila, ngokuba ityisa umtyiso, ke ayiluthe gqiphu uphuphu, iyinqambi kuni;

6nomvundla, ngokuba utyisa umtyiso, ke awuluthe gqiphu uphuphu, uyinqambi kuni;

7nehagu, ngokuba iluthe gqiphu uphuphu, ke ilucande kubini uphuphu, yabe ingawutyisi umtyiso, iyinqambi kuni.

8Inyama yezo nto ize ningayidli, nesidumbu sazo ningasichukumisi; ziziinqambi kuni.

9Ezintweni zonke ezisemanzini nozidla ezi: zonke izinto ezinamaphiko namaxolo emanzini, ezilwandleni nasemilanjeni, nozidla zona.

10Ke zonke izinto ezingenamaphiko namaxolo ezilwandleni nasemilanjeni, enyakanyakeni yonke esemanzini, nasezintweni eziphilileyo ezisemanzini,

11zoba nezothe kuni, zibe nezothe kuni. Nize ningayidli inyama yazo; nezidumbu zazo zibe nezothe kuni.

12Zonke izinto ezingenamaphiko namaxolo emanzini zoba nezothe kuni.

13Zezi ezintakeni ezoba nezothe kuni; zezingadliwa, zinezothe zona: ixhalanga,

14nosilwangangubo, nonomakhwezana;

15noontloyiya ngohlobo lwabo; nehlungulu lonke ngohlobo lwalo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16nenciniba, nesihuluhulu, nengabangaba, nentambanane ngohlobo lwayo;

17nesikhova, nogwidi, nefubesi,

18nenkuku yamanzi, nengcwangube, nenkqo;

19nengwamza, nokhwalimanzi ngohlobo lwakhe, nobhobhoyi, nelulwane.

20Yonke inyakanyaka enamaphiko, ehamba ngazitho ziné, yoba nezothe kuni.

21Zezi zodwa enozidla kwinyakanyaka yonke enamaphiko, ehamba ngazitho ziné, enemilenze yomibini entla kweenyawo zayo, yokuba itshakace ngayo emhlabeni;

22zezi ke kuzo enozidla: inkumbi ngohlobo lwayo, nesibotho ngohlobo lwaso, nomqhathu ngohlobo lwawo, nomcikwane ngohlobo lwawo.

23Ke yonke inyakanyaka enamaphiko, enazitho ziné, yoba nezothe kuni.

24Ngenxa yayo noba ziinqambi; abachukumisa isidumbu sayo boba ziinqambi, bahlwise;

25bonke abasusa nto yesidumbu sayo, bohlamba iingubo zabo, babe ziinqambi, bahlwise.

26Yonke into ezitho ziné eluthe gqiphu uphuphu, ukulucanda ingalucandi kubini, ingatyisi mtyiso, iyinqambi kuni; bonke abayichukumisayo boba ziinqambi.

27Neento zonke ezihamba ngamathupha azo, ezintweni zonke eziphilileyo ezihamba ngazitho ziné, ziziinqambi kuni; bonke abasichukumisayo isidumbu sazo, boba ziinqambi bahlwise.

28Lowo ususa isidumbu sazo, wohlamba iingubo zakhe, abe yinqambi ahlwise; ziinqambi zona kuni.

29Zezi ezoba ziinqambi kuni enyakanyakeni enyakazela emhlabeni: igala, nempuku, noxam ngohlobo lwakhe;

30nentulo, necilishe, norhoqotyeni, noqebeyi, nolovane.

31Zezo eziziinqambi kuni enyakanyakeni yonke; bonke abazichukumisayo ezifileyo kuzo, boba ziinqambi, bahlwise.

32Izinto zonke ezithe zawelwa yenye yazo ifîle, zoba ziinqambi: nokuba ziimpahla zonke zemithi, nokuba ziingubo, nokuba zizikhumba, nokuba ziingxowa, zonke iimpahla ekusetyenzwa ngazo, zonyiwa emanzini, zibe ziinqambi, zihlwise; zize zihlambuluke ke.

33Iimpahla zonke zomdongwe, ethe yeyela kuzo enye yazo, zoba ziinqambi zonke izinto eziphakathi kwazo; noziqhekeza ke.

34Konke ukudla okudliwayo, okufikiweyo ngamanzi akwezo mpahla, koba yinqambi; nento yonke eselwayo ngezo mpahla zonke, yoba yinqambi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

35Into yonke ethe yawelwa nayindawoni na yesidumbu sazo, yoba yinqambi; nokuba liziko lezonka, nokuba ngungxawu, ize yaphulwe; iyinqambi, yoba yinqambi kuni.

36Kodwa umthombo nequla elinentlanganisela yamanzi lohlambuluka; osichukumisayo isidumbu sazo woba yinqambi.

37Xa kuthe kwawa nandawoni yesidumbu sazo embewini yonke ehlwayelwayo, eza kuhlwayelwa, yohlambuluka yona.

38Xa kuthe kwagalelwa amanzi embewini, kwawa nandawoni yesidumbu sazo phezu kwayo, yoba yinqambi kuni.

39Xa kuthe kwafa nto izitho ziné idliwayo nini, lowo usichukumisayo isidumbu sayo woba yinqambi, ahlwise.

40Lowo udlayo esidumbini sayo, wozihlamba iingubo zakhe, abe yinqambi, ahlwise; nalowo ususa isidumbu sayo, wozihlamba iingubo zakhe, abe yinqambi, ahlwise.

41Yonke inyakanyaka enyakazela emhlabeni inezothe; mayingadliwa.

42Zonke izinto ezihamba ngesisu, neento zonke ezihamba nganyawo-né, kude kuse kwiinto zonke ezineenyawo ezininzi, enyakanyakeni yonke enyakazelayo emhlabeni, ize ningazidli; ngokuba zinezothe.

43Musani ukuyenza imiphefumlo yenu ibe nezothe ngenyakanyaka yonke enyakazelayo, ize ningazenzi inqambi ngayo, nibe yinqambi ngayo.

44Ngokuba ndinguYehova uThixo wenu, ze nizingcwalise nibe ngcwele; ngokuba ndiyiNgcwele; ize ningayenzi iinqambi imiphefumlo yenu ngenyakanyaka yonke enambuzelayo emhlabeni.

45Ngokuba ndinguYehova oninyuse ezweni laseYiputa, ukuba ndibe nguThixo wenu; ize nibe ngcwele, ngokuba ndiyiNgcwele.

46Nguwo lowo umyalelo weento ezizitho ziné, neentaka, nemiphefumlo yonke ephilileyo enambuzelayo emanzini, nemiphefumlo yonke enyakazelayo emhlabeni;

47woyahlula eyinqambi kwehlambulukileyo, nento ephilileyo edliwayo kwinto ephilileyo engàdliwayo.

ILevitikus 12

Ubunqambi bomfazi ozeleyo

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Umfazi, xa athe wathabatha, wazala inkwenkwe, woba yinqambi imihla esixhenxe; njengemihla yokungcola komzí wakhe woba yinqambi.

3Ngomhla wesibhozo iya kwalùswa inyama yokwalùswa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

4aze ahlale egazini lokuhlanjululwa kwakhe iintsuku ezimashumi mathathu anantsuku-ntathu; angazichukumisi zonke izinto ezingcwele, angangeni engcweleni, zide zizaliseke iintsuku zokuhlanjululwa kwakhe.

5Ke ukuba uthe wazala intombi, woba yinqambi iiveki ezimbini, njengasekungcoleni kwakhe; ahlale phezu kwegazi lokuhlanjululwa kwakhe iintsuku ezimashumi mathandathu anantsuku ntandathu.

6Ekuzalisekeni kweentsuku zokuhlanjululwa kwakhe ngonyana, nokuba kungentombi, wozisa imvana emnyaka mnye ibe lidini elinyukayo, negobo levukuthu nokuba lihobe, libe lidini lesono, emnyango wentente yokuhlangana, kuye umbingeleli;

7alisondeze yena phambi koYehova, emcamagushele, aze ahlambuluke ke ethombeni legazi lakhe. Nguwo lowo umyalelo wozeleyo inkwenkwe nokuba yintombi.

8Ke ukuba isandla sakhe sithe asaba nakufumana nto ilingana nemvana, wothabatha amahobe abe mabini, nokuba ngamagobo evukuthu abe mabini, elinye libe leledini elinyukayo, elinye libe leledini lesono, umbingeleli amcamagushele, aze ahlambuluke ke.

ILevitikus 13

Ubunqambi beqhenqa

1Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

2Umntu xa kuthe kwakho elùswini lwenyama yakhe ukufukuka, nokuba kukujaduka, nokuba litshatshazi, laba sisibetho seqhenqa elùswini lwenyama yakhe, woziswa kuAron umbingeleli, nokuba kukomnye woonyana bakhe ababingeleli.

3Wosikhangela umbingeleli isebetho elùswini lwenyama yakhe; ukuba luthe unwele esibethweni lwasuka lwaba mhlophe, sabonakala isibetho sithe gangqa elùswini lwenyama yakhe: sisibetho seqhenqa eso; womkhangela umbingeleli, athi uyinqambi.

4Ukuba itshatshazi lithe lamhlophe elùswini lwenyama yakhe, alabonakala lithe gangqa elùswini, alwasuka lwaba mhlophe unwele lwalo, umbingeleli womvalela onesibetho imihla esixhenxe;

5umbingeleli amkhangele ngomhla wesixhenxe; O! isibetho simi emehlweni akhe, asiqhenqethi isibetho elùswini; wophinda umbingeleli amvalele imihla esixhenxe.

6Umbingeleli wophinda amkhangele ngomhla wesixhenxe; O! isibetho sibunile, asiqhenqethi isibetho elùswini; umbingeleli wothi uhlambulukile: kukujaduka oko. Wozihlamba iingubo zakhe; aze ahlambuluke ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ukuba ukujaduka kuthe kwaqhenqetha kakhulu elùswini, emva kokubonakala kwakhe kumbingeleli ngenxa yokuhlanjululwa kwakhe, wophinda abonakale kumbingeleli; umbingeleli akhangele,

8O! ukujaduka kuqhenqethile elùswini; umbingeleli wothi uyinqambi: liqhenqa ke elo.

9Isibetho seqhenqa, xa sithe sabakho emntwini, woziswa kumbingeleli;

10akhangele umbingeleli, O! ukufukuka kumhlophe elùswini, kulwenze unwele lwaba mhlophe, kukho inyama ekrwada, ehleliyo ekufukukeni apho:

11liqhenqa elidala eli elùswini lwenyama yakhe; umbingeleli wothi uyinqambi; angamvaleli, ngokuba uyinqambi.

12Ke ukuba iqhenqa lithe qwele kakhulu elùswini, iqhenqa lalugubungela lonke ulùsu lonesibetho, lathabathela entloko lesa ezinyaweni, ngokubona konke kwamehlo ombingeleli,

13umbingeleli wokhangela; O! liyigubungele yonke inyama yakhe iqhenqa; wothi uhlambulukile onesibetho; usuke waba mhlophe wonke ephela, uhlambulukile.

14Ke ngomhla ebonakeleyo kuye inyama ekrwada, uyinqambi.

15Aze ayikhangele umbingeleli inyama ekrwada, athi uyinqambi; inyama ekrwada iyinqambi: liqhenqa ke elo.

16Naxa ithe yabuya inyama ekrwada, yasuka yaba mhlophe, woza kumbingeleli;

17umbingeleli amkhangele, O! sisuke isibetho saba mhlophe, umbingeleli wothi uhlambulukile onesibetho; uhlambulukile ke yena.

18Ke inyama, xa kuthe kwakho kuyo elùswini lwayo ithumba, laphola;

19kwabakho endaweni yethumba ukufukuka okumhlophe, nokuba litshatshazi elifuna ukuba yingqombela, wobonakala kumbingeleli;

20akhangele umbingeleli, O! libonakala lithe gangqa elùswini, unwele lwalo lusuke lwamhlophe; umbingeleli wothi uyinqambi: sisibetho seqhenqa eso, sithe qwele ethumbeni.

21Ukuba umbingeleli uthe wakhangela, O! akukho lunwele lumhlophe kulo, alithe gangqa alùswini libunile, umbingeleli womvalela imihla esixhenxe.

22Ke ukuba lithe laqhenqetha kakhulu elùswini, umbingeleli wothi uyinqambi: sisibetho eso.

23Ke ukuba itshatshazi lithe lema endaweni yalo, alaqhenqetha: kukuqulungana kwethumba oko; umbingeleli wothi uhlambulukile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Ke inyama, xa kuthe kwakho elùswini lwayo umtshiso womlilo, kwathi ukuphola komtshiso kwaba litshatshazi elifuna ukuba yingqombela, nokuba limhlophe kanye,

25walikhangela umbingeleli itshatshazi, O! lusuke lwamhlophe unwele etshatshazini, libonakala lithe gangqa elùswini: liqhenqa ke elo; lithe qwele emtshisweni. Umbingeleli wothi uyinqambi: sisibetho seqhenqa ke eso.

26Ukuba uthe wakhangela umbingeleli, O! akukho lunwele lumhlophe etshatshazini, alithe gangqa elùswini, libunile: umbingeleli womvalela imihla esixhenxe;

27akhangele umbingeleli ngomhla wesixhenxe; ukuba lithe laqhenqetha kakhulu elùswini, umbingeleli wothi uyinqambi: sisibetho seqhenqa ke eso.

28Ke ukuba itshatshazi lithe lema endaweni yalo, alaqhenqetha elùswini, lisuke labuna: kukufukuka komtshiso oko. Umbingeleli wothi uhlambulukile; kuba kukuqulungana komtshiso oko.

29Xa kuthe kwakho isibetho kwindoda nenkazana entloko, nokuba kusesilevini; wasikhangela umbingeleli isibetho,

30O! sithe gangqa elùswini ukubonakala kwaso, kukho unwele kuso olulubhelu olomileyo, umbingeleli wothi iyinqambi: kukudlathuka kweenwele oko, liqhenqa lasentloko, nokuba lelasesilevini elo.

31Xa athe umbingeleli wasikhangela isibetho sokudlathuka kweenwele, O! asithe gangqa elùswini ukubonakala kwaso, kungekho lunwele lulubhelu kuso, umbingeleli womvalela onesibetho sokudlathuka kweenwele imihla esixhenxe.

32Umbingeleli xa athe wamkhangela onesibetho ngomhla wesixhenxe, O! ukudlathuka akuqhenqethanga, akwabakho lunwele lulubhelu kuye, ukubonakala kokudlathuka kungathanga gangqa elùswini,

33wozicheba, kodwa angayichebi indawo edlathukileyo; aphinde umbingeleli amvalele imihla esixhenxe onendawo edlathukileyo.

34Umbingeleli akukukhangela ngomhla wesixhenxe ukudlathuka, O! ukudlathuka akuqhenqethanga elùswini, ukubonakala kwako kungathanga gangqa elùswini, umbingeleli wothi uhlambulukile. Wozihlamba iingubo zakhe, ahlambuluke ke.

35Ukuba ukudlathuka kuthe kwaqhenqetha kakhulu elùswini emveni kokuhlanjululwa kwakhe, wakukhangela umbingeleli,

36O! ukudlathuka kuqhenqethile elùswini, umbingeleli akasayi kuba saphicotha lunwele lulubhelu: uyinqambi yena.

37Ukuba kusuke kwema ukudlathuka emehlweni akhe, kwakhula unwele olumnyama kuko, kupholile ukudlathuka, uhlambulukile; umbingeleli wothi uhlambulukile.

38Xa kuthe kwakho kwindoda nakwinkazana elùswini lwenyama yayo amatshatshazi, amatshatshazi amhlophe, wakhangela umbingeleli,

© 1975 Bible Society of South Africa.

39O! amatshatshazi elùswini lwenyama yabo akanabumhlophe: litshanda elo, lithe qwele elùswini; uhlambulukile.

40Indoda xa ithe intloko yayo yaguda: yinkqayi leyo, uhlambulukile.

41Ukuba ithe yaguda intloko yayo, yathabathela ecaleni lobuso bayo: yimpandla leyo, uhlambulukile.

42Xa kuthe kwakho enkqayini, nokuba kusempandleni, isibetho esimhlophe sayingqombela: liqhenqa elo elithe qwele enkqayini yakhe, nokuba kusempandleni yakhe.

43Umbingeleli womkhangela, O! ukufukuka kweso sibetho kumhlophe, kwayingqombela, enkqayini yakhe nokuba kusempandleni yakhe, ngokubonakala kweqhenqa lolùsu lwenyama:

44yindoda eneqhenqa leyo, iyinqambi. Umbingeleli wothi iyinqambi kuphele; isibetho sayo sisentlokweni yayo.

45Lowo uneqhenqa, lowo sikuye isibetho, zokrazulwa iingubo zakhe, ziyekwe iinwele ziyakazele, azigqubuthele iindevu, adanduluke, esithi, Ndiyinqambi, ndiyinqambi!

46Yonke imihla esikhoyo kuye isibetho, woba yinqambi kuphele, ahlale yedwa ngaphandle kweminquba, ukuhlala kwakhe.

47Ingubo xa sithe sabakho kuyo isibetho seqhenqa, engutyeni yoboya nasengutyeni yelinen,

48naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, lwelinen noloboya, nasesikhumbeni, nasezintweni zonke ezenziwe ngesikhumba;

49ukuba isibetho eso siba buhlazarha, nokuba siba yingqombela engutyeni, nasesikhumbeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasemphaleni yonke yesikhumba: sisibetho seqhenqa eso.

50Soboniswa umbingeleli, asikhangele umbingeleli isibetho, ayivalele into enesibetho imihla esixhenxe;

51ayikhangele loo nto inesibetho ngomhla wesixhenxe. Xa sithe saqhenqetha isibetho engutyeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasesikhumbeni, ezintweni zonke ezenziwe ngesikhumba: liqhenqa elisenza mandundu isibetho. Yinqambi ke leyo.

52Wóyitshisa ingubo, nosinga lokoluka, nosinga lokuluka, noboya, nelinen, nemphala yonke yesikhumba esikhoyo kuyo isibetho: ngokuba liqhenqa elimandundu; yotshiswa loo mpahla ngomlilo.

53Ukuba umbingeleli uthe wakhangela, O! isibetho asiqhenqethanga engutyeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasempahleni yonke yesikhumba:

© 1975 Bible Society of South Africa.

54wowisa umthetho umbingeleli, ihlanjwe loo nto sikuyo isibetho, aphinde ayivalele imihla esixhenxe;

55asikhangele umbingeleli isibetho emveni kokuhlanjwa, O! isibetho asiguqukanga ukubonakala kwaso, asiqhenqethanga isibetho: yinqambi loo nto; yotshiswa ngomlilo. Yinkrombonca ngaphakathi nangaphandle.

56Ke ukuba uthe wakhangela umbingeleli, O! isibetho sibunile emveni kokuhlanjwa kwaso: wosikrazula, asikhuphe engutyeni, nasesikhumbeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka.

57Ukuba sithe sabuya sabonakala engutyeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasempahleni yonke yesikhumba: kukuthi qwele kwaso oko; woyitshisa ngomlilo loo nto sikuyo isibetho.

58Ingubo, nosinga lokoluka, nosinga lokuluka, nempahla yonke yesikhumba ehlanjiweyo, ukuba sithe isibetho semka kuyo, yophindwa ihlanjwe, ihlambuluke ke.

59Nguwo lowo ke umyalelo wesibetho seqhenqa engutyeni yoboya neyelinen, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasempahleni yonke yesikhumba, wokuthi zihlambulukile, nowokuthi ziziinqambi.

ILevitikus 14

Ukuhlanjululwa komntu oneqhenqa

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Lo woba ngumyalelo woneqhenqa, ngomhla wokuhlanjululwa kwakhe:

3Woziswa kumbingeleli, aphume umbingeleli aye ngaphandle kweminquba, akhangele umbingeleli, O! isibetho seqhenqa siphilisiwe, semka koneqhenqa;

4awise umthetho umbingeleli, ukuba lowo uzihlambululayo athatyathelwe iintaka ezimbini eziphilileyo, ezihlambulukileyo, nomsedare, noboya obubomvu, nehisope.

5Wowisa umthetho umbingeleli, enye intaka empahleni yomdongwe ixhelelwe phezu kwamanzi aphilileyo;

6ayithabathe intaka ephilileyo, nomsedare, noboya obubomvu, nehisope, azithi nkxu, ndawonye nentaka ephilileyo, egazini lentaka exhelelwe phezu kwamanzi aphilileyo;

7amfefe lowo uza kuhlanjululwa eqhenqeni lakhe izihlandlo zibe sixhenxe, athi uhlambulukile, ayindulule intaka ephilileyo iye ezindle.

8Lowo uzihlambululayo wozihlamba iingubo zakhe, achebe zonke iinwele zakhe, ahlambe emanzini, ahlambuluke ke. Emveni koko wongena eminqubeni, ahlale ngaphandle kwentente yakhe imihla esixhenxe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9kuthi ngomhla wesixhenxe, achebe zonke iinwele zakhe entloko, nasesilevini sakhe, nasemashiyini akhe, azichebe zonke iinwele zakhe, azihlambe iingubo zakhe, ahlambe umzimba wakhe emanzini, ahlambuluke ke.

10Ngomhla wesibhozo wothabatha iimvana ezimbini ezigqibeleleyo, nemvanazana emnyaka mnye egqibeleleyo ibe nye, nezahlulo ezithathu zesishumi zomgubo ocoliweyo, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwe ioli, neloge yeoli ibe nye;

11umbingeleli ohlambululayo ayimise indoda ezihlambululayo, nezo zinto, phambi koYehova emnyango wentente yokuhlangana.

12Woyithabatha umbingeleli enye imvana, ayisondeze ibe lidini letyala, neloge yeoli, azitshangatshangise zibe ngumtshangatshangiso ezo nto phambi koYehova;

13ayixhelele imvana apho kuxhelelwa khona idini lesono nedini elinyukayo, endaweni engcwele; kuba, njengokuba lilelombingeleli idini lesono, likwanjalo idini letyala: liyingcwele kangcwele.

14Wocaphula umbingeleli egazini ledini letyala, adyobhe umbingeleli esithinzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambululayo, nasesithupheni sesandla sakhe sokunene, nakubhontsi wonyawo lwakhe lwasekunene.

15Aze acaphule umbingeleli elogeni yeoli, ayigalele esandleni sombingeleli sasekhohlo;

16awuthi nkxu umbingeleli umnwe wakhe wasekunene eolini esesandleni sakhe sasekhohlo, afefe inxalenye yeoli ngomnwe wakhe izihlandlo ezisixhenxe phambi koYehova.

17Inxalenye yeoli eseleyo esesandleni sakhe, umbingeleli woyidyobha esithinzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambululayo, nasesithupheni sesandla sakhe sasekunene, nakubhontsi wonyawo lwakhe lwasekunene, phezu kwegazi ledini letyala.

18Eseleyo ioli esesandleni sombingeleli aze ayigalele entloko kulowo uzihlambululayo, umbingeleli amcamagushele ke phambi koYehova.

19Umbingeleli wolenza idini lesono, amcamagushele lowo uzihlambululayo ngenxa yobunqambi bakhe; emveni koko alixhele idini elinyukayo,

20alinyuse umbingeleli idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, esibingelelweni, umbingeleli amcamagushele. Wohlambuluka ke.

21Ukuba uthe waba sisweli, nesandla sakhe asaba nakukufumana oko, wothabatha imvana ibe nye, ibe lidini letyala lokutshangatshangisa, amcamagushele, nesahlulo seshumi somgubo ocoliweyo, ugalelwe ioli, sibe sinye, ube ngumnikelo wokudla, neloge yeoli;

© 1975 Bible Society of South Africa.

22namahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini evukuthu, esinokuwafumana isandla sakhe, elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo.

23Maze awazise ngomhla wesibhozo kumbingeleli, ukuba ahlanjululwe emnyango wentente yokuhlangana phambi koYehova.

24Umbingeleli woyithabatha imvana elidini letyala, neloge yeoli, ezo ntoumbingeleli azitshangatshangise zibe ngumtshangatshangiso phambi koYehova;

25ayixhele imvana yedini letyala; acaphule umbingeleli egazini ledini letyala, alidyobhe esithinzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambululayo, nasesithupheni sesandla sakhe sasekunene, nakubhontsi wonyawo lwakhe lwasekunene.

26Inxalenye yeoli woyigalela umbingeleli esandleni sombingeleli sasekhohlo,

27umbingeleli afefe ngomnwe wakhe wasekunene inxalenye yeoli esesandleni sakhe sasekhohlo, izihlandlo zibe sixhenxe phambi koYehova;

28umbingeleli adyobhe inxalenye yeoli esesandleni sakhe esithinzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambululayo, nasesithupheni sesandla sakhe sasekunene, nakubhontsi wonyawo lwakhe lwasekunene, phezu kwendawo enegazi ledini letyala.

29Eseleyo ioli esesandleni sombingeleli woyigalela entloko kulowo uzihlambululayo, amcamagushele phambi koYehova.

30Wolinikela elinye ihobe, nokuba lelinye igobo levukuthu, esinokulifumana isandla sakhe,

31oko sinokukufumana isandla sakhe; elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo, ndawonye nomnikelo wokudla, umbingeleli amcamagushele lowo uzihlambululayo phambi koYehova.

32Nguwo lowo umyalelo walowo sikhoyo kuye isibetho seqhenqa, osandla singabanga nakufumana nto angahlanjululwa ngayo.

Izindlu ezineqhenqa

33Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

34Xa nithe nafika ezweni lakwaKanan, endininika lona ukuba libe lelenu, ndasibeka isibetho seqhenqa endlwini yelizwe elo lilelenu,

35makeze umninindlu amxelele umbingeleli, esithi, Kubonakala kum ngathi kukho isibetho endlwini.

36Wowisa umthetho umbingeleli, ukuba bayikhuphe impahla endlwini, engekangeni umbingeleli ukuba asikhangele isibetho, ukuze ingabi yinqambi yonke into esendlwini; emveni koko wongena umbingeleli ukuba ayikhangele indlu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Akusikhangela isibetho, O! isibetho sisezindongeni zendlu, sizizifanya ezibuhlazarha, nokuba zifuna ukuba ngqombela, ukubonakala kwazo zithe gangqa eludongeni:

38wophuma umbingeleli endlwini, aye emnyango wendlu, ayivale indlu imihla esixhenxe.

39Wobuya umbingeleli ngomhla wesixhenxe akhangele, O! siqhenqethile isibetho ezindongeni zendlu;

40aze awise umthetho umbingeleli, ukuba arholwe amatye esikuwo isibetho eso, aphoswe ngaphandle komzi endaweni eyinqambi;

41ayiphale indlu ngaphakathi ngeenxa zonke, bawuphose umhlaba abawuphalileyo ngaphandle komzi endaweni eyinqambi;

42bathabathe matye wambi, bawafake endaweni yaloo matye, kuthatyàthwe olunye udaka, ityatyekwe indlu.

43Ukuba sithe sabuya isibetho sathi qwele endlwini, emveni kokurholwa kwamatye, nasemveni kokuphalwa kwendlu, nasemveni kokutyatyekwa kwayo, wongena umbingeleli, akhangele,

44O! siqhenqethile isibetho endlwini: liqhenqa elimandundu endlwini, iyinqambi ke.

45Yodilizwa indlu namatye ayo, nemithi yayo, nodaka lonke lwendlu, zikhutshelwe ngaphandle komzi ezo zinto, ziye kulahlelwa endaweni eyinqambi.

46Lowo ungenayo endlwini, yonke imihla yokuvalwa kwayo, woba yinqambi, ahlwise.

47Lowo ulele kuloo ndlu, wozihlamba iingubo zakhe; nalowo udlele kuloo ndlu, wozihlamba iingubo zakhe.

48Ukuba umbingeleli uthe wangena, wakhangela, O! isibetho asiqhenqethanga endlwini emveni kokutyatyekwa kwendlu, umbingeleli wothi ihlambulukile indlu, ngokuba isibetho siphilisiwe.

49Wothabatha into yokuhlambulula indlu: iintaka zibe mbini, nomsedare, noboya obubomvu, nehisope.

50Maze ayixhelele enye intaka empahleni yomdongwe phezu kwamanzi aphilileyo;

51awuthabathe umsedare, nehisope, noboya obubomvu, nentaka ephilileyo, azithi nkxu egazini lentaka exheliweyo, nasemanzini aphilileyo, ayifefe indlu izihlandlo zibe sixhenxe;

52ayihlambulule indlu ngegazi lentaka leyo, nangamanzi aphilileyo, nangentaka ephilileyo, nangomsedare, nangehisope, nangoboya obubomvu.

53Woyindulula intaka ephilileyo iye ngaphandle komzi, iye ezindle, ayicamagushele indlu; yohlambuluka ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

54Nguwo lowo umyalelo osingisele kuzo zonke izibetho zeqhenqa nakuko ukudlathuka kweenwele,

55nakulo iqhenqa lengubo,

56nelendlu, nakuko ukufukuka, nakuyo injaduko, nakulo itshatshazi,

57aboyalwa ngawo ngemini yento eyinqambi, nangemini yento ehlambulukileyo. Nguwo lowo umyalelo weqhenqa.

ILevitikus 15

Ubunqambi bethombo

1Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

2Thethani koonyana bakaSirayeli, nithi kubo, Indoda ngendoda, xa ithe yanobhobhozo oluphuma enyameni yayo, iyinqambi ngobhobhozo lwayo olo.

3Boba bobu ubunqambi bayo ekubhobhozeni kwayo; nokuba inyama yayo iyachiza ukubhobhoza kwayo, nokuba inyama iyakuvingca ukubhobhoza kwayo, bubunqambi bayo obo.

4Sonke isilili alala kuso lowo ubhobhozayo soba yinqambi, nempahla yonke ahlala kuyo yoba yinqambi.

5Indoda esukuba isichukumisa isilili salowo, yozihlamba iingubo zayo, ihlambe emanzini, ibe yinqambi, ihlwise.

6Lowo uhlala phezu kwempahla abehleli kuyo obhobhozayo, wozihlamba iingubo zakhe, ahlambe emanzini, abe yinqambi, ahlwise.

7Lowo uwuchukumisayo umzimba wobhobhozayo, wozihlamba iingubo zakhe, ahlambe emanzini, abe yinqambi, ahlwise.

8Xa athe obhobhozayo wamtshicela ohlambulukileyo, wozihlamba iingubo zakhe, ahlambe emanzini, abe yinqambi, ahlwise.

9Zonke iinqwelo asukuba ekhwela kuzo obhobhozayo zoba ziinqambi.

10Bonke abo bachukumisa nantoni ibiphantsi kwakhe, boba ziinqambi, bahlwise; lowo uyithwalayo, wozihlamba iingubo zakhe, ahlambe emanzini, abe yinqambi, ahlwise.

11Bonke abasukuba bemchukumisa obhobhozayo, bangazigaleli amanzi izandla zabo, bozihlamba iingubo zabo, bahlambe emanzini, babe ziinqambi, bahlwise.

12Impahla yomdongwe abeyichukumisile obhobhozayo yoqhekezwa; yonke impahla yomthi yoxukuxwa ngamanzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Xa athe wahlambuluka obhobhozayo ekubhobhozeni kwakhe, wozibalela imihla esixhenxe yokuhlanjululwa kwakhe, azihlambe iingubo zakhe, awuhlambe umzimba wakhe emanzini aphilileyo; wohlambuluka ke.

14Ngomhla wesibhozo wozithabathela amahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini evukuthu, eze phambi koYehova emnyango wentente yokuhlangana, awanike umbingeleli;

15awanikele umbingeleli, elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo; umbingeleli amcamagushele phambi koYehova ngenxa yokubhobhoza kwakhe.

16Indoda xa ithe yancola, yowuhlamba wonke umzimba wayo emanzini, ibe yinqambi, ihlwise.

17Neengubo zonke, nezikhumba zonke ezinoncolo, zohlanjwa ngamanzi, zibe ziinqambi, zihlwise.

18Ke umfazi ethe indoda yamlala, bohlamba ngamanzi, babe ziinqambi bahlwise bobabini.

19Umfazi xa athe wampompoza, kwaba ligazi ukumpompoza kwakhe enyameni yakhe, woba sekungcoleni kwakhe imihla esixhenxe; bonke abo bamchukumisayo boba ziinqambi, bahlwise.

20Yonke into asukuba elala phezu kwayo ekungcoleni kwakhe, yoba yinqambi; nento yonke asukuba ehlala phezu kwayo, yoba yinqambi.

21Bonke abo bachukumisa isilili sakhe bozihlamba iingubo zabo, bahlambe emanzini, babe ziinqambi, bahlwise.

22Bonke abo bachukumisa nantoni yempahla ahlala phezu kwayo, bozihlamba iingubo zabo, bahlambe emanzini, babe ziinqambi, bahlwise.

23Nokuba lisesililini, nokuba lisempahleni ahlala kuyo, ekulichukumiseni kwabo boba ziinqambi, bahlwise.

24Ukuba indoda ithe yalala naye, kwafikelela kuyo ukungcola kwakhe, yoba yinqambi imihla esixhenxe, nesilili sonke elele kuso soba yinqambi.

25Umfazi xa athe wampompoza ukumpompoza kwegazi lakhe imihla emininzi, ingelilo ixesha lokungcola kwakhe, naxa lithe lampompoza ngaphezu kwelokungcola kwakhe: yonke imihla yokumpompoza kobunqambi bakhe yoba njengemihla yokungcola kwakhe, abe yinqambi yena.

26Zonke izilili athe walala kuzo, yonke imihla yokumpompoza kwakhe, zoba njengesilili sokungcola kwakhe kuye; zonke iimpahla athe wahlala kuzo, zoba ziinqambi njengobunqambi bokungcola kwakhe.

27Bonke abo bazichukumisayo ezo nto, boba ziinqambi; bazihlambe iingubo zabo, bahlambe emanzini, babe ziinqambi, bahlwise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Ukuba uthe wahlambuluka ekumpompozeni kwakhe, wozibalela imihla esixhenxe emveni koko, ahlambuluke ke;

29ngomhla wesibhozo azithabathele amahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini evukuthu, awazise kumbingeleli emnyango wentente yokuhlangana,

30awanikele umbingeleli, elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo. Umbingeleli womcamagushela phambi koYehova ngenxa yokumpompoza kobunqambi bakhe.

31Nize nibakhwelelise ke oonyana bakaSirayeli ebunqambini babo; bangafeli ebunqambini babo, ngokuwenza inqambi umnquba wam ophakathi kwabo.

32Nguwo lowo umyalelo walowo ubhobhozayo, nowoncolayo waba yinqambi ngaloo nto;

33nowalowo unomzi wokungcola kwakhe, nowalowo umpompoza ukumpompoza kwakhe, nokuba yindoda, nokuba ngumfazi, nokuba yindoda elele nomfazi oyinqambi.

ILevitikus 16

Isiko lemini yocamagushelo

1Wathetha uYehova kuMoses emveni kokufa koonyana ababini baka-Aron, ekusondeleni kwabo phambi koYehova, baza bafa.

2Wathi uYehova kuMoses, Thetha kuAron umkhuluwa wakho, angangeni ngamaxesha onke engcweleni ngaphaya komkhusane, phambi kwesihlalo sokucamagusha esiphezu kwetyeya, ukuze angafi; kuba ndiya kubonakala efini phezu kwesihlalo sokucamagusha.

3Wongena uAron engcweleni enezi zinto: enenkunzi entsha, elithole lenkomo, ibe lidini lesono; nenkunzi yemvu, ibe lidini elinyukayo.

4Uya kwambatha ingubo engcwele yangaphantsi yelinen emhlophe, ibekho nebhulukhwe yelinen emhlophe emzimbeni wakhe, abhinqiswe ngombhinqo welinen emhlophe, ajikele unkontsho lwelinen emhlophe: ziingubo ezingcwele ezo. Wowuhlamba umzimba wakhe emanzini, azinxibe ke.

5Wothabatha ebandleni loonyana bakaSirayeli iinkunzi zeebhokhwe ezixhonti zibe mbini, zibe lidini lesono, nenkunzi yemvu enye ibe lidini elinyukayo.

6Woyisondeza uAron inkunzi entsha yenkomo yedini lesono elilelakhe, azicamagushele okwakhe nokwendlu yakhe.

7Wozithabatha iinkunzi zeebhokhwe zombini, azimise phambi koYehova, emnyango wentente yokuhlangana;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8enze amaqashiso uAron phezu kweenkunzi zeebhokhwe zombini: elinye iqashiso
libe lelika Yehova, elinye iqashiso libe lelika-Azazele.

9Maze ayisondeze uAron inkunzi yebhokhwe eliphume nayo iqashiso likaYehova,
ayenze idini lesono;

10ke yona inkunzi yebhokhwe eliphume nayo iqashiso lika-Azazele, makayimise
iphilile phambi koYehova, ayicamagushele, ayithumele kuAzazele entlango.

11Makayisondeze uAron inkunzi entsha yenkomo yedini lesono elilelakhe,
azicamagushele okwakhe nokwendlu yakhe, ayixhele inkunzi entsha yenkomo yedini
lesono elilelakhe.

12Makathabathe ugcedevu luzele ngamahlahle omlilo esibingelelweni, esisebusweni
bukaYehova, azalise izandla zakhe ngesiqhumiso esimnandi esicolekileyo, asingenise
ngaphaya komkhusane;

13asibeke isiqhumiso phezu komlilo phambi koYehova, ukuze ilifu lesiqhumiso
lisisibekele isihlalo sokucamagusha esiphezu kwesingqino, ukuze angafi.

14Wocaphula egazini lenkunzi entsha yenkomo, alifefe ngomnwe wakhe esihlalweni
sokucamagusha ngasempumalanga, nangaphambili kwesihlalo sokucamagusha, afefe
ngenxalenye yegazi izihlandlo ezisixhenxe ngomnwe wakhe.

15Woyixhela inkunzi yebhokhwe yedini lesono eyeyabantu, alise igazi layo ngaphaya
komkhusane, alenze igazi layo njengoko walenzayo igazi lenkunzi entsha yenkomo,
alifefe esihlalweni sokucamagusha nangaphambili kwesihlalo sokucamagusha;

16ayicamagushele ingcwele ngenxa yobunqambi boonyana bakaSirayeli, nangenxa
yezikreqo zabo ngokubhekisele ezonweni zabo zonke; enjenjalo kwintente
yokuhlangana ehleliyo nabo phakathi kobunqambi babo.

17Makungabikho mntu ententeni yokuhlangana, ekungeneni kwakhe ukuya
kucamagusha engcweleni, kude kube sekuphumeni kwakhe. Makazicamagushele
okwakhe, nokwendlu yakhe, nokwesikhungu sonke samaSirayeli.

18Wophuma aye esibingelelweni esiphambi koYehova, asicamagushele, acaphule
egazini lenkunzi entsha yenkomo, nasegazini lenkunzi yebhokhwe, alidyobhe
ajikelezise ezimpondweni zesibingelelo;

19asifefe ngenxalenye yegazi ngomnwe wakhe izihlandlo ezisixhenxe, asihlambulule,
asingcwalise, ebunqambini boonyana bakaSirayeli;

20agqibe ukuyicamagushela ingcwele nentente yokuhlangana, nesibingelelo.
Woyisondeza inkunzi yebhokhwe ephilileyo,

21acinezele uAron ngezandla zakhe zozibini entlokweni yenkunzi yebhokhwe
ephilileyo, abuvume phezu kwayo bonke ubugwenxa boonyana bakaSirayeli,
nezikreqo zabo zonke ngokubhekisele ezonweni zabo zonke, azibeke ke phezu

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

kwentloko yenkunzi leyo yebhokhwe, ayithumele entlango ngendoda ezilungisele oko.

22Inkunzi leyo yebhokhwe yobuthwala ke phezu kwayo bonke ubugwenxa babo, iye ezweni eliqhiwukileyo; ayikhulule inkunzi yebhokhwe leyo entlango apho.

23UAron wongena ententeni yokuhlangana, azihlube iingubo zelinen emhlophe, abezambethe ukungena kwakhe engcweleni, azishiye khona;

24awuhlambe umzimba wakhe ngamanzi endaweni engcwele, anxibe iingubo zakhe, aphume, enze idini lakhe elinyukayo, nedini elinyukayo labantu, azicamagushele okwakhe nokwabantu;

25aqhumisele ngenqatha ledini lesono esibingelelweni.

26Lowa wayikhululela kuAzazele inkunzi yebhokhwe, wozihlamba iingubo zakhe, awuhlambe umzimba wakhe emanzini, emveni koko angene eminqubeni.

27Ke yona inkunzi entsha yenkomo yedini lesono, nenkunzi yebhokhwe yedini lesono, ezigazi langeniswa ukuba licamagushe engcweleni, zokhutshelwa ngaphandle kweminquba, zitshiswe ngomlilo izikhumba zazo, nenyama yazo, nomswane wazo.

28Lowo uzitshisayo wozihlamba iingubo zakhe, awuhlambe umzimba wakhe emanzini, emveni koko angene eminqubeni.

29Koba ngummiselo ongunaphakade kuni, ukuthi: Ngenyanga yesixhenxe, ngolweshumi enyangeni leyo, niyithobe imiphefumlo yenu, ningenzi namnye umsebenzi, nokuba ngozalelwe ekhaya, nokuba ngumphambukeli ophambukele kuni,

30kuba ngaloo mhla úya kunicamagushela, ukuba anihlambulule, nihlambuluke ezonweni zenu zonke phambi koYehova.

31Yisabatha kasabatha kuni; noyithoba imiphefumlo yenu: ngummiselo ke ongunaphakade.

32Wócamagusha ke umbingeleli, lowo uya kuthanjiswa, amiselwe ukuba abe ngumbingeleli esikhundleni sikayise; azinxibe iingubo zelinen emhlophe, iingubo ezingcwele;

33ayicamagushele ingcwele kangcwele, nentente yokuhlangana, asicamagushele isibingelelo, abacamagushele ababingeleli, nabantu bonke besikhungu.

34Lowo woba ngummiselo ongunaphakade kuni wokubacamagushela oonyana bakaSirayeli ngenxa yezono zabo zonke, kube kanye ngomnyaka. Wenza ke njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

ILevitikus 17

Ummiselo wendawo yokubingelela

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha kuAron nakoonyana bakhe, nokoonyana bonke bakaSirayeli, uthi kubo, Lilo eli ilizwi uYehova awise umthetho ngalo, lokuthi:

3Umntu ngomntu wendlu kaSirayeli osukuba exhela inkomo, nemvu, nebhokhwe, eminqubeni, nosukuba eyixhelela ngaphandle kweminquba,

4angàyizisi emnyango wentente yokuhlangana, ukuba isondezwe ibe ngumsondezo kuYehova phambi komnquba kaYehova: igazi lobalelwa kuloo mntu; aphalazé igazi; wonqanyulwa loo mntu, angabikho phakathi kwabantu bakowabo;

5ukuze oonyana bakaSirayeli bayizise imibingelelo yabo abayibingelelayo ezindle, bayizise kuYehova emnyango wentente yokuhlangana kumbingeleli, bayibingelele ibe yimibingelelo yoxolo kuYehova.

6Umbigeleli wolitshiza igazi layo esibingelelweni sikaYehova, emnyango wentente yokuhlangana, aqhumisele ngenqatha, libe livumba elithozamisayo kuYehova.

7Mabangabi sayibingelela imibingelelo yabo kwizithixo ezimaxhonti, abahenyuza ngokuzilandela. Lowo woba ngummiselo ongunaphakade kubo ezizukulwaneni zabo.

8Wòthi kubo, Umntu ngomntu wendlu kaSirayeli, nowakubaphambukeli abaphambukele phakathi kwenu, osukuba enyusa idini elinyukayo, nokuba ngumbingelelo,

9angàlizisi emnyango wentente yokuhlangana, ukuba alinikele kuYehova: wonqanyulwa loo mntu, angabikho phakathi kwabantu bakowabo.

Isalelo sokudla igazi

10Umntu ngomntu wendlu kaSirayeli, nowakubaphambukeli abaphambukele phakathi kwenu, osukuba esidla yonke into eligazi: ndowuchasa umphefumlo odle igazi, ndiwunqamle, ungabikho phakathi kwabantu bakowawo.

11Kuba umphefumlo wenyama usegazini wona. Mna ndaninika lona esibingelelweni, ukuba kucanyagushelwe imiphefumlo yenu; kuba igazi eli licamagusha ngomphefumlo.

12Ngenxa yoko ndithe koonyana bakaSirayeli, Makungabikho namnye umphefumlo kuni odla igazi; nomphambukeli ophambukele phakathi kwenu makangalidli igazi.

13Umntu ngomntu koonyana bakaSirayeli, nomphambukeli ophambukele phakathi kwenu, osukuba ezingela inyamakazi, nokuba yintaka edliwayo, woliphalaza igazi layo, aliselele ngomhlaba.

14Kuba umphefumlo wenyama yonke, igazi layo eli ngumphefumlo wayo. Ndathi ke koonyana bakaSirayeli, Ize ningadli gazi lanyama nokuba yiyiphi; ngokuba umphefumlo wenyama yonke ligazi layo. Bonke abalidlayo bonqanyulwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Wonke ubani osukuba esidla into ezifeleyo, neqwengiweyo, engozalelwe ekhaya nomphambukeli, wozihlamba iingubo zakhe, ahlambe emanzini, abe yinqambi, ahlwise; wohlambuluka ke.

16Ukuba akathanga azihlambe, akawuhlamba umzimba wakhe, wobuthwala ubugwenxa bakhe.

ILevitikus 18

Ukwalelwa kokugananwa okuthile nemithetho yobumsulwa

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, NdinguYehova, uThixo wenu.

3Ize ningenzi ngokokwenza kwelizwe laseYiputa, enibe nihleli kulo; ize ningenzi ngokokwenza kwelizwe lakwaKanan, endinisa kulo, ningahambi ngokwemimiselo yabo.

4Ze nenze amasiko am, nigcine imimiselo yam, nihambe ngayo. NdinguYehova, uThixo wenu.

5Nogcina imimiselo yam, namasiko am awothi umntu ozenzayo ezo nto aphile ngazo: ndinguYehova.

6Umntu ngomntu aze angasondeli nakwinye inyama yenyama yakhe, ukuba atyhile ubuzé bayo: ndinguYehova.

7Ubuzé bukayihlo, ubuzé bonyoko, uze ungabutyhili: ngunyoko lowo; uze ungabutyhili ubuzé bakhe.

8Ubuzé bomkayihlo uze ungabutyhili: bubuzé bukayihlo obo.

9Ubuzé bodade wenu, intombi kayihlo, nokuba yintombi kanyoko, izalelwe ekhaya, nokuba izalelwe emzini, uze ungabutyhili ubuzé bayo.

10Ubuzé bentombi yonyana wakho, nobentombi yentombi yakho, uze ungabutyhili ubuzé bayo; ngokuba ibubuzé bakho.

11Ubuzé bentombi yomkayihlo ezalwa nguyihlo, ingudade wenu, uze ungabutyhili ubuzé bayo.

12Ubuzé bodade boyihlo uze ungabutyhili: yinyama yoyihlo leyo.

13Ubuzé bonyokokazi uze ungabutyhili: kuba yinyama yonyoko leyo.

14Ubuzé boyihlokazi uze ungabutyhili, ungasondeli kumkakhe: ngunyokokazi lowo.

15Ubuzé bomolokazana wakho uze ungabutyhili: ngumkanyana wakho lowo; uze ungabutyhili ubuzé bakhe.

16Ubuzé bomfazi womntakayihlo uze ungabutyhili: bubuzé bomntakayihlo obo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ubuzé bomfazi nentombi yakhe uze ungabutyhili; intombi yonyana wakhe, nentombi yentombi yakhe, uze ungayizeki, ukuba ubutyhile ubuzé bayo: yinyama yakhe leyo; ngamanyala lawo.

18Umfazi uze ungamzekeli phezu kodade wabo, ukuba ubandezele, ukuba ubutyhile ubuzé bakhe phezu kwakhe, ekudleni kwakhe ubomi.

19Uze ungasondeli emfazini, esekungcoleni kobunqambi bakhe, ukuba ubutyhile ubuzé bakhe.

20Uze ungamlali umfazi wommelwane, ukuba uzenze inqambi ngaye.

21Embewini yakho uze unganikeli namnye, ukuba acandiselwe uMoleki; ungalihlambeli igama loThixo wakho; ndinguYehova.

22Uze ungayilali into eyindoda njengokuba kulalwa umfazi: ngamasikizi lawo.

23Uze ungalali nanye into ezitho ziné, ukuba uzènze inqambi ngayo; inkazana mayingazimisi phambi kwento ezitho ziné, ukuze izekwe yiyo: kukuzingcolisa oko.

24Musani ukuzenza iinqambi ngezo nto zonke; kuba zenziwa iinqambi ngezo nto zonke iintlanga endizigxothayo ebusweni benu.

25Lenziwé inqambi nelizwe elo; ndiyabuvelela ubugwenxa babo phezu kwabo, nelizwe liyabahlanza abemi balo.

26Ize niyigcine imimiselo yam namasiko am nina, ningenzi nalinye kuloo masikizi, kwaozalelwe ekhaya, nomphambukeli ophambukele phakathi kwenu.

27Kuba onke loo masikizi bawenzile abantu belo zwe abaphambi kwenu, lenziwa inqambi ilizwe;

28ukuze linganihlanzi ilizwe ngokulenza kwenu inqambi, njengoko liluhlanzileyo uhlanga oluphambi kwenu.

29Ngokuba bonke abasukuba besenza nalinye kuloo masikizi, imiphefumlo elenzayo yonqanyulwa, ingabikho phakathi kwabantu bakowayo.

30Ngoko ke ize nisigcine isigxina sam, ningenzi namnye ummiselo olisikizi owenziwa phambi kwenu, ningazenzi iinqambi ngawo: ndinguYehova, uThixo wenu.

ILevitikus 19

Imithetho malunga nezinto ngezinto

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha kwibandla lonke loonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Yibani ngcwele; kuba ndiyiNgcwele mna, Yehova, uThixo wenu.

3Yoyikani elowo unina noyise; nizigcine iisabatha zam: ndinguYehova, uThixo wenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Musani ukubheka kwiinto ezingení; ningazenzeli izithixo ezityhidiweyo: ndinguYehova, uThixo wenu.

5Xa nibingelela kuYehova umbingelelo woxolo, nobingelela ukuze unikholekise.

6Wódliwa ngomhla wokubingelela kwenu nangengomso; okuseleyo kwada kwangumhla wesithathu kotshiswa ngomlilo.

7Ukuba kuthe kwadliwa nokudliwa ngomhla wesithathu, kuyimbozisa; akuyi kukholekisa.

8Ke okudlayo, wobuthwala ubugwenxa bakhe; ngokuba eyihlambele ingcwele kaYehova; loo mphefumlo wonqanyulwa, ungabikho ebantwini bakowawo.

9Ekuvuneni kwenu isivuno selizwe lenu, uze ungawavuni ugqibelele amacala entsimi yakho, ungabhikici lubhikico lokuvuna kwakho.

10Uze ungasicholi isidiliya sakho; nento evuthulukileyo yomdiliya wakho uze ungayibhikici; woyishiyela olusizana nomphambukeli: ndinguYehova, uThixo wenu.

11Ize ningebi; ize ningakhanyeli into niyazi; ize ningaxokisani.

12Ize ningalifungi igama lam nixoka; ungalihlambeli igama loThixo wakho: ndinguYehova.

13Ùze ungamcudisi ummelwane wakho, uze ungaxhakamfuli; umvuzo womqeshwa úze ungalali kuwe kude kuse.

14Uze ungasitshabhisi isithulu; uze ungabeki sikhubekiso phambi kwemfama; uze umoyike uThixo wakho: ndinguYehova.

15Ze ningenzi bugqwetha ekugwebeni; unganoneleli nomntu osweleyo, ungabeki buso basikhulu; womgweba ngobulungisa ummelwane wakho.

16Uze ungahambi uyintlebi phakathi kwabantu bakowenu; uze ungalizondi igazi lommelwane wakho: ndinguYehova.

17Uze ungamthiyi umzalwana wakho entliziyweni yakho; kanye womohlwaya ummelwane wakho, ungazithwalisi sono ngenxa yakhe.

18Uze ungaphindezeli; uze ungabi nanqala koonyana babantu bakowenu; uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako; ndinguYehova.

19Ize niyigcine imimiselo yam. Iinkomo zakho uze ungazizekisi kwiintlobo ezimbini; uze ungayihlwayeli intsimi yakho iintlobo ezimbini zembewu; nengubo yeentlobo ezimbini engumxube ize ingezi phezu kwakho.

20Xa indoda ithe yayilala inkazana, ilikhobokazana eliganelwe indoda, lingàkhululwanga ngokuhlawulelwa, lingàphiwanga nenkululeko: bobethwa; bangàbulawa, ngokuba belingakhululekile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Yolizisa idini letyala layo kuYehova emnyango wentente yokuhlangana, inkunzi yemvu, ibe lidini letyala;

22ayicamagushele umbingeleli ngenkunzi leyo yemvu yedini letyala phambi koYehova ngenxa yesono sayo, eyoné ngaso. Yosixolelwa ke isono sayo, eyoné ngaso.

23Xa nifikileyo ezweni elo, natyala yonke imithi edliwayo, nòthi iziqhamo zayo zikúkungaluki; zoba zezingalukanga kuni iminyaka emithathu, ize zingàdliwa.

24Ngowesiné umnyaka, zonke iziqhamo zayo zoba ngumnikelo ongcwele wendumiso kuYehova.

25Ngomnyaka wesihlanu nozidla iziqhamo zayo, ukuze zinongezele ungeniselo lwayo: ndinguYehova, uThixo wenu.

26Ize ningadli nto inegazi. Ize ningahlabi sihlabo; ize ningabi ngamatola.

27Ze ningazichebi nizizungeleze iintlontlo zentloko yenu; ungaloni udini lweendevu zakho.

28Ize ningazicenti inyama yenu ngenxa yomfi, ningenzi mbhalo wamvambo kuni: ndinguYehova.

29Musa ukuyihlambela intombi yakho, uyenze ihenyu, ukuze ilizwe lingahenyuzi, lingazali ilizwe ngamanyala.

30Gcinani iisabatha zam, niyoyike ingcwele yam: ndinguYehova.

31Musani ukubheka kwabanemishologu; musani ukubafuna oosiyazi, ukuze nenziwe inqambi ngabo: ndinguYehova uThixo wenu.

32Suka ume ebusweni bengwevu, ububeke ubuso bexhego, umoyike uThixo wakho: ndinguYehova.

33Xa umphambukeli aphambukela kuni ezweni lenu, ize ningambandezeli.

34Kuni wóba njengozalelwe phakathi kwenu ekhaya, umphambukeli ophambukele kuni; uze umthande ngoko uzithanda ngako; ngokuba nibe ningabaphambukeli ezweni laseYiputa: ndinguYehova, uThixo wenu.

35Ize ningenzi bugqwetha ekugwebeni nasekulinganiseni ubude, nobunzima, nokuzala kwento.

36Nòba nezikali zobulungisa, namatye obulungisa, ne-efa yobulungisa, nehin yobulungisa. NdinguYehova, uThixo wenu, onikhuphileyo ezweni laseYiputa.

37Ize niyigcine imimiselo yam yonke, namasiko am onke, niwenze: ndinguYehova.

ILevitikus 20

Izohlwayo zezono ngezono

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi, Yithi koonyana bakaSirayeli:

2Umntu ngomntu, koonyana bakaSirayeli, nakubaphambukeli abaphambukele kwaSirayeli, othe wayinika uMoleki imbewu yakhe, wobulawa afe; abantu belizwe eli ize bamxulube ngamatye.

3Ke mna ndiya kumchasa loo mntu, ndimnqamle, angabikho phakathi kwabantu bakowabo; ngokuba uyinike uMoleki imbewu yakhe, ukuze ayenze inqambi ingcwele yam, alihlambele igama lam elingcwele.

4Ukuba abantu belizwe elo bathe bawafihla ukuwafihla oku amehlo abo kuloo mntu, ekuyinikeni kwakhe uMoleki imbewu yakhe, àbambulala:

5mna ndomchasa loo mntu nemizalwane yakhe, ndimnqamle, nabo bonke abahenyuza ngokumlandela, behenyuzela ukumlandela uMoleki, bangabikho phakathi kwabantu bakowabo.

6Loo mphefumlo uthe wabheka kwabanemishologu, nakoosiyazi, uhenyuza ngokubalandela; ndowuchasa loo mphefumlo, ndiwunqamle, ungabikho phakathi kwabantu bakowawo.

7Ize nizingcwalise nibe ngcwele, ngokuba ndinguYehova, uThixo wenu.

8Ize niyigcine imimiselo yam niyenze: ndinguYehova oningcwalisayo.

9Umntu ngomntu, xa athe watshabhisa uyise nonina, wobulawa afe; utshabhise uyise nonina; amagazi akhe makabe phezu kwakhe.

10Indoda esukuba ikrexeza umkamntu, ikrexèze umfazi wommelwane wakhe, wobulawa afe umkrexezi lowo, kwanomkrexezikazi.

11Indoda esukuba imlala umkayise, ityhilé ubuzé bukayise; mababulawe bafe bobabini, amagazi abo makabe phezu kwabo.

12Indoda esukuba imlala umolokazana wayo, mababulawe bafe bobabini; bazingcolisile; amagazi abo makabe phezu kwabo.

13Indoda esukuba iyilala indoda njengokuba kulalwa umfazi, abo benzé amasikizi: mababulawe bafe bobabini; amagazi abo makabe phezu kwabo.

14Indoda esukuba izeka inkazana nonina, ngamanyala lawo; mabatshiswe ngomlilo, kwayona nabo, kungabikho manyala phakathi kwenu.

15Indoda esukuba ilala into ezitho ziné, mayibulawe ife; naloo nto izitho ziné niyibulale.

16Inkazana esukuba isondela entweni ezitho ziné, nokuba yiyiphi na, ukuba izekwe yiyo, mayibulawe inkazana leyo; naloo nto izitho ziné mayibulawe ife; amagazi azo makabe phezu kwazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Indoda esukuba izeka udade wayo, intombi kayise, nokuba yintombi kanina, yabubona ubuzé bakhe, wabubona yena ubuzé bayo, benzé ubugqwirha; bonqanyulwa emehlweni oonyana babantu bakowabo; ityhilé ubuzé bodade wayo; yobuthwala ubugwenxa bayo.

18Indoda esukuba imlala umfazi enomzí yabutyhila ubuzé bakhe, yalenza laba zé ithende lakhe, naye walityhila ithende lamagazi akhe: bonqanyulwa bobabini, bangabikho phakathi kwabantu bakowabo.

19Ubuzé bonyokokazi nobodade boyihlo uze ungabutyhili, ngokuba uyenza ibe zé inyama yakhe; bobuthwala ubugwenxa babo.

20Indoda esukuba imlala umkayisekazi, yabutyhila ubuzé boyisekazi: bosithwala isono sabo, bafe bengenamntwana.

21Indoda esukuba izeka umfazi womntakayise, yinto engcolileyo leyo: ityhile ubuze bomntakayise; abayi kuba namntwana.

22Ize niyigcine imimiselo yam yonke, namasiko am onke, niwenze, ukuze linganihlanzi ilizwe elo ndinisa kulo ukuba nihlale kulo.

23Ize ningahambi emimiselweni yohlanga olo ndilugxothayo ebusweni benu; ngokuba bazenzile zonke ezo nto, ndakruquka ngabo.

24Ndathi ke kuni, Nina niya kulidla ilifa ilizwe labo; ndininikile mna ukuba libe lilifa kuni, ilizwe elibaleka amasi nobusi. NdinguYehova, uThixo wenu, onahluleyo kwezinye izizwe.

25Ize niyahlule into ezitho ziné ehlambulukileyo kweyinqambi, nentaka eyinqambi kwehlambulukileyo, ningayenzi imiphefumlo yenu ibe nezothe ngento ezitho ziné, nangentaka, nangento yonke enambuzelayo emhlabeni, endinahluleyo nayo kuba iyinqambi.

26Ize nibe ngcwele kum, ngokuba ndiyiNgcwele, mna Yehova; ndanahlula kwezinye izizwe, ukuba nibe ngabam.

27Indoda nenkazana xa bathe baneshologu, baba ngoosiyazi, mababulawe bafe. Boxulutywa ngamatye, amagazi abo abe phezu kwabo.

ILevitikus 21

Imithetho ewiselwa ababingeleli

1Wathi uYehova kuMoses. Yitsho kubabingeleli, oonyana baka-Aron, ukuthi, Ze kungabikho uzenza inqambi ngenxa yomfi phakathi kwabantu bakowabo.

2Kungába ngenxa yenyama yakhe ekufuphi kuye yodwa: unina noyise, nonyana wakhe, nentombi yakhe, nomzalwana wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Nodade wabo oseyintombi, leyo ikufuphi kuye, ingenandoda, angázenza inqambi ngenxa yayo.

4Engumninimzi nje, makangazenzi inqambi phakathi kwabantu bakowabo, ukuba azihlambele.

5Ize bangenzi mpandla entlokweni yabo, bangaliguyi icala leendevu zabo, bangayicenti inyama yabo.

6Mababe ngcwele kuThixo wabo, bangalihlambeli igama loThixo wabo; kuba besondeza ukudla kwasemlilweni kukaYehova, ukudla koThixo wabo; mababe ngcwele.

7Makangazeki mfazi ulihenyukazi, nohlanjelweyo; angazeki mfazi waliweyo yindoda yakhe; ngokuba ungcwele kuThixo wakhe.

8Uze umngcwalise ke; kuba esondeza ukudla koThixo wakho; wóba ngcwele kuwe, ngokuba ndingcwele, mna Yehova uningcwalisayo.

9Intombi yendoda engumbingeleli, xa ithe yazihlambela ngokuhenyuza, ihlambela uyise; yotshiswa ngomlilo.

10Umbingeleli omkhulu phakathi kwabazalwana bakhe, obegalelwe ioli yokuthambisa entloko, omiselweyo ukuze azambathe izambatho, makangaziyeki ziyakazele iinwele zakhe, angazikrazuli iingubo zakhe;

11angayi nakumntu ofileyo, angazenzi inqambi nangenxa kayise, nangenxa kanina.

12Makangaphumi engcweleni, angayihlambeli ingcwele yoThixo wakhe; ngokuba ukwahlula kweoli yokuthambisa yoThixo wakhe kuphezu kwakhe: ndinguYehova.

13Makazeke umfazi osebuntombini bakhe.

14Umhlolokazi, nowaliweyo, nohlanjelweyo olihenyukazi, abo makangabazeki; wozeka intombi yodwa yasebantwini bakowabo, ibe ngumfazi;

15angayihlambeli imbewu yakhe phakathi kwabantu bakowabo; ngokuba ndinguYehova omngcwalisayo.

16Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

17Thetha kuAron, uthi, Indoda phakathi kwembewu yakho ezizukulwaneni zabo, esukuba inesiphako, mayingasondeli isondeze ukudla koThixo wayo.

18Ze kungasondeli nanye indoda, xa sukuba inesiphako: indoda eyimfama, nesiqhwala, nelinyaziweyo ebusweni, nesilima, nendoda eyaphuke unyawo,

19neyaphuke isandla;

20nenofundo, nengcungcuthekileyo, nenomlanga, nenokhwekhwe, nenesitshanguba, netyumke isende.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ze kungasondeli nanye indoda enesiphako, yembewu ka-Aron umbingeleli, isondeze ukudla kwasemlilweni kukaYehova; inesiphako; mayingasondeli, isondeze ukudla koThixo wayo.

22Ingákudla ukudla koThixo wayo kwezinto eziziingcwele kangcwele, kwanezingcwele.

23Kodwa mayingezi emkhusaneni, ingasondeli nasesibingelelweni, ngokuba inesiphako; ukuze ingayihlambeli ingcwele yam; ngokuba ndinguYehova obangcwalisayo.

24Wakuthetha ke oko uMoses kuAron noonyana bakhe, noonyana bonke bakaSirayeli.

ILevitikus 22

Eminye imithetho malunga nababingeleli namadini

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha kuAron nakoonyana bakhe, bazahlule ezintweni ezingcwele zoonyana bakaSirayeli, bangalihlambeli igama lam elingcwele ezintweni abazingcwalisayo kum: ndinguYehova.

3Yithi kubo, Ezizukulwaneni zenu, bonke abantu abangabembewu yenu, abasukuba besondela ezintweni ezingcwele, abazingcwalisayo oonyana bakaSirayeli kuYehova, benobunqambi babo, loo miphefumlo yonqanyulwa, ingabikho ebusweni bam: ndinguYehova.

4Umntu ngomntu ongowembewu ka-Aron, oneqhenqa, nobhobhozayo, makangazidli izinto ezingcwele, ade ahlambuluke. Nalowo umchukumisayo wonke ubani oyinqambi ngofileyo, nendoda esukuba incola;

5nomntu osukuba echukumisa yonke into enyakazelayo, eyinqambi kuye, nokuba ngumntu oyinqambi kuye ebunqambini bakhe bonke:

6umphefumlo osukuba uyichukumisa into enjalo, woba yinqambi, uhlwise; lowo makangadli ezintweni ezingcwele. Ke makawuhlambe umzimba wakhe emanzini;

7lakutshona ilanga, wothi ehlambulukile adle emveni koko ezintweni ezingcwele; ngokuba kukudla kwakhe.

8Into ezifeleyo neqwengiweyo makangayidli, azenze inqambi ngayo: ndinguYehova.

9Ize basigcine isigxina sam, bangazithwalisi isono, bafe ngaso, ngokuba besihlambele sona: ndinguYehova obangcwalisayo.

10Wonke ongengowakuni aze angadli nto ingcwele; olundwendwe lombingeleli, nomqeshwa, aze angadli nto ingcwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Umbingeleli xa athe wathenga umntu, waba yintengo yemali yakhe, makadle kuyo lowo, kwanozelelwe endlwini yakhe; abo bodla ukudla kwakhe.

12Intombi yombingeleli, xa ithe yendela kwindoda engeyeyakuni, yona mayingadli emrhumeni weento ezingcwele.

13Intombi yombingeleli, xa ithe yangumhlolokazi, nokuba ithe yaliwa, ingazalanga, yabuyela endlwini kayise, yokúdla ukudla kukayise njengasebutsheni bayo. Wonke ongengowakuni makangadli kuko.

14Umntu othe wayidla into engcwele ngokulahleka, makongeze isihlanu sayo kuyo, ayinike umbingeleli into engcwele.

15Ize bangazihlambeli izinto ezingcwele zoonyana bakaSirayeli, ezo bazirhumela uYehova,

16babathwalise ubugwenxa betyala ekudleni kwabo izinto zabo ezingcwele: ngokuba ndinguYehova obangcwalisayo.

17Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

18Thetha kuAron nakoonyana bakhe, nakoonyana bonke bakaSirayeli, uthi kubo, Umntu ngomntu wendlu kaSirayeli, nowakubaphambukeli abakwaSirayeli, osukuba esondeza umsondezo wakhe ngokubhekisele kwizibhambathiso zabo zonke, nangokubhekisele kwimibingelelo yabo yonke yokuqhutywa yintliziyo, asukuba ewusondeza kuYehova, ukuba ube lidini elinyukayo:

19wóthi, ukuze unikholekise, ube liduna eligqibeleleyo lasezinkomeni, nokuba lelasezigusheni, nelasezibhokhweni.

20Izinto zonke ezinesiphako ize ningazisondezi, ngokuba azisayi kunikholekisa.

21Umntu, xa athe wasondeza umbingelelo woxolo kuYehova, ukuba ube ngowesibhambathiso esibalulekileyo, nokuba ube ngowokuqhutywa yintliziyo, oziinkomo noyimpahla emfutshane: uze ube ngogqibeleleyo ukuze ukholeke, uze ungabi nasiphako nasiphi.

22Eziziimfama, ezaphukileyo, ezilinyaziweyo, ezinokhwekhwe, ezinesitshanguba, ize ningazisondezi ezo kuYehova, ninganikeli ngazo ukudla kwasemlilweni esibingelelweni kuYehova.

23Inkomo negusha enendawo eyolukileyo, neshwabeneyo, ungáyenza umbingelelo wokuqhutywa yintliziyo; ke ayiyi kukholekisa ukuba ingowesibhambathiso.

24Into emasende atyunyuziweyo, nakhandiweyo, naqhiwulweyo, nanqunyulweyo, ize ningayisondezi kuYehova. Ezweni lenu ze ningènjenjalo.

25Nasesandleni sowolunye uhlanga ize ningamkeli nisondeze ukudla koThixo wenu kwezo nto, nakuziphi; ngokuba ukonakala kwazo kukuzo, isiphako sikuzo; aziyi kunikholekisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

27Inkomo, negusha, nebhokhwe, xa izalwayo, yoba mihla isixhenxe phantsi konina. Kuthabathela kusuku lwesibhozo nangasemva kwalo, iya kukholekisa, ibe ngumsondezo wasemlilweni kuYehova.

28Inkomo, nokuba yigusha, ize ningayixheli ngamini-nye netakane layo.

29Xa nithe nawubingelela umbingelelo wombulelo kuYehova, nòwubingelela ukuba unikholekise.

30Wodliwa kwangaloo mhla, ningashiyi nto kuwo kude kuse: ndinguYehova.

31Ize niyigcine imithetho yam, niyenze: ndinguYehova.

32Ize ningalihlambeli igama lam elingcwele; ndongcwaliswa phakathi koonyana bakaSirayeli:

33ndinguYehova oningcwalisayo, onikhuphileyo ezweni laseYiputa, ukuze ndibe nguThixo wenu: ndinguYehova.

ILevitikus 23

Amaxesha nemithendeleko engcwele

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Amaxesha amisiweyo kaYehova, eniya kuwavakalisa ukuba abe ziintlanganiso ezingcwele, ngawo la amaxesha am amisiweyo.

3Wosebenza imihla emithandathu; ke umhla wesixhenxe uyisabatha kasabatha, yintlanganiso engcwele. Ze ningenzi namnye umsebenzi ngawo: yisabatha kaYehova emakhayeni enu onke.

4Ngawo la amaxesha amisiweyo kaYehova, iintlanganiso ezingcwele, eniya kuzivakalisa ngamaxesha azo amisiweyo ngenyanga yokuqala,

5ngolweshumi elinesiné enyangeni leyo, lakutshona ilanga, yipasika kaYehova.

6Ngosuku lweshumi elinesihlanu enyangeni leyo ngumthendeleko wezonka ezingenagwele kaYehova; iintsuku ezisixhenxe nodla izonka ezingenagwele.

7Ngosuku lokuqala nòba nentlanganiso engcwele; ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

8Nosondeza ukudla kwasemlilweni kuYehova iintsuku ezisixhenxe; ngosuku lwesixhenxe yintlanganiso engcwele; ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

9Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

10Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo: Xa nithe nafika kulo ilizwe endininika lona, navuna isivuno salo, nozisa kumbingeleli isinde lokuqala lesivuno senu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

11alitshangatshangise isinde phambi koYehova; ukuze linikholekise, alitshangatshangise umbingeleli ngengomso emva kwesabatha;

12ize ninikele, ngomhla wokulitshangatshangisa kwenu isinde, imvana egqibeleleyo emnyaka mnye, ibe lidini elinyukayo kuYehova;

13nomnikelo walo wokudla ube zizahlulo ezibini zesishumi se-efa zomgubo ocoliweyo, ogalelwe ioli. Kukudla kwasemlilweni kuYehova, livumba elithozamisayo; nomnikelo walo othululwayo wewayini woba sisahlulo sesiné sehin.

14Ize ningadli sonka, nakhweba, nangqolowa intsha, ide ibe yinkqu yayo loo mini, nizisa ngayo umsondezo kaThixo wenu: ngummiselo ongunaphakde ezizukulwaneni zenu, emakhayeni enu onke.

15Ize nizibalele iisabatha ezisixhenxe ezigqibeleleyo, nithabathela kwingomso emva kwesabatha, ngomhla wokuzisa kwenu isinde lokutshangatshangisa,

16kude kube lingomso emva kwesabatha yesixhenxe; nobala imihla emashumi mahlanu, nisondeze umnikelo wokudla omtsha kuYehova.

17Emakhayeni enu ize nirhole nizise izonka zokutshangatshangisa zibe zibini, zezahlulo ezibini zesishumi zomgubo ocoliweyo, zosiwe zinegwele, zibe ziintlahela kuYehova.

18Ndawonye nezonka ezo ize nisondeze iimvana ezigqibeleleyo ezisixhenxe, ezimnyaka mnye, nenkunzi entsha, ithole lenkomo, ibe nye, neenkunzi zezimvu zibe mbini, zibe lidini elinyukayo kuYehova, neminikelo yazo yokudla, neminikelo yazo ethululwayo; kukudla kwasemlilweni, kwevumba elithozamisayo kuYehova.

19Ize ninikele inkunzi yebhokhwe exhonti ibe nye, ibe lidini lesono, neemvana ezimbini ezimnyaka mnye zibe ngumbingelelo woxolo.

20Wozitshangatshangisa umbingeleli ezo zinto, ndawonye nezonka eziziintlahlela, zibe ngumtshangatshangiso phambi koYehova, ndawonye neemvana ezimbini; zibe ngcwele kuYehova ngenxa yombingeleli.

21Nize nimeme ngenkqu yayo loo mini, ukuba kubekho intlanganiso engcwele kuni; ize ningenzi msebenzi wakukhonza. Ngummiselo ongunaphakade emakhayeni enu onke ezizukulwaneni zenu.

22Ekuvuneni kwenu isivuno selizwe lenu, uze ungaligqibi icala lentsimi yakho ekuvuneni kwakho, ungalubhikici ubhikico lwesivuno sakho; woshiyela olusizana nomphambukeli: ndinguYehova uThixo.

23Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

24Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Ngenyanga yesixhenxe, ngolokuqala enyangeni leyo, noba nesabatha, isikhumbuzo sokumema ngesigodlo intlanganiso engcwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Ize ningenzi namnye umsebenzi wakukhonza; nosondeza ukudla kwasemlilweni kuYehova.

26Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

27Kodwa ngolweshumi kule nyanga yesixhenxe, ngomhla wokucamagusha, yoba yintlanganiso engcwele kuni, niyithobe imiphefumlo yenu; nisondeze ukudla kwasemlilweni kukaYehova.

28Ize ningenzi namnye umsebenzi ngenkqu yayo loo mini, kuba ngumhla wokucamagusha, wokunicamagushela phambi koYehova uThixo wenu.

29Kuba wonke umphefumlo, osukuba ungazithobi ngenkqu yayo loo mini, wonqanyulwa, ungabikho ebantwini bakowawo.

30Wonke umphefumlo, osukuba usenza namnye umsebenzi ngenkqu yayo loo mini, ndowutshabalalisa loo mphefumlo, ungabikho phakathi kwabantu bakowawo.

31Ize ningenzi namnye umsebenzi. Ngummiselo ongunaphakade ezizukulwaneni zenu, emakhayeni enu onke.

32Yisabatha kasabatha kuni; nóyithoba imiphefumlo yenu. Ngolwesithoba enyangeni leyo, ngokuhlwa, kuthabathele ekuhlweni kuse ekuhlweni, nophumla ngesabatha yenu.

33Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

34Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Ngosuku lweshumi elinesihlanu kule nyanga yesixhenxe, ngumthendeleko weminquba iintsuku ezisixhenxe kuYehova.

35Ngosuku lokuqala yintlanganiso engcwele; ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

36Iintsuku ezisixhenxe nosondeza ukudla kwasemlilweni kuYehova; ngosoku lwesibhozo yoba yintlanganiso engcwele kuni, nisondeze ukudla kwasemlilweni kuYehova. Yingqungquthela; ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

37Ngawo lawo amaxesha amisiweyo kaYehova, enowavakalisa abe ziintlanganiso ezingcwele, okusondeza ukudla kwasemlilweni kuYehova: idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, umbingelelo neminikelo ethululwayo, into yemini ngangemini yayo;

38ngaphandle kweesabatha zikaYehova, nangaphandle kweminikelo yenu, nangaphandle kwezibhambathiso zenu zonke, nangaphandle kweminikelo yenu yonke yokuqhutywa yintliziyo, enimnikayo uYehova.

39Kodwa ngosuku lweshumi elinesihlanu enyangeni yesixhenxe, ekuhlanganiseni kwenu ungeniselo lwelizwe, ize nenze umthendeleko kaYehova iintsuku ezisixhenxe; ngomhla wokuqala yisabatha, nangomhla wesibhozo yisabatha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

40Ize nizithabathele ngomhla wokuqala amahlamvu emithi okuhombisa, amagqabi amasundu, namasebe emithi ethe shinyi, nemingculuba yasemlanjeni; nigcobe phambi koYehova uThixo wenu iintsuku ezisixhenxe.

41Lo mthendeleko nowenzela uYehova iintsuku ezisixhenxe ngomnyaka. Ngummiselo ongunaphakade ezizukulwaneni zenu: niwenze umthendeleko ngenyanga yesixhenxe.

42Nohlala eminqubeni iintsuku ezisixhenxe; bonke abazalelwe kwaSirayeli bohlala eminqubeni;

43ukuze zazi izizukulwana zenu, ukuba ndabahlalisa oonyana bakaSirayeli eminqubeni, ekubakhupheni kwam ezweni laseYiputa: ndinguYehova, uThixo wenu.

44UMoses wabaxelela oonyana bakaSirayeli amaxesha lawo amisiweyo kaYehova.

ILevitikus 24

Imithetho malunga nezibane nezonka zesiboniso

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Bawisele umthetho oonyana bakaSirayeli, bathabathe bazise kuwe ioli eqaqambileyo yeminquma engqushiweyo yesikhanyiso, ukuba kumiswe isibane samaxesha onke.

3Nganeno komkhusane wesingqino, ententeni yokuhlangana, wóhlala ezicwangcisa uAron izibane phambi koYehova, kuthabathela ngokuhlwa kuzise ekuseni: ngummiselo ongunaphakade ezizukulwaneni zenu.

4Wohlala ezicwangcisa izibane esiphathweni sezibane esicocekileyo phambi koYehova.

5Uze uthabathe umgubo ocoliweyo, uwose ube yimiqhathane elishumi elinamibini, umqhathane omnye ube zizahlulo ezibini zesishumi.

6Uze uyikrozise ngemikrozo emibini, ibe mithandathu mkrozweni mnye, etafileni ecocekileyo ephambi koYehova;

7ubeke intlaka emhlophe eqaqambileyo phezu komkrozo ngamnye, ibe sisikhumbuzo sesonka, ukudla kwasemlilweni kuYehova.

8Wóhlala eyicwangcisa phambi koYehova ngemihla yonke yesabatha, ivela koonyana bakaSirayeli: ngumnqophiso ongunaphakade.

9Yoba yeka-Aron noonyana bakhe, bayidle endaweni engcwele; kuba yingcwele kangcwele kuye, ivela ekudleni kwasemlilweni kukaYehova: ngummiselo ongunaphakade.

Imithetho malunga nokunyelisa

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ke kaloku kwaphuma unyana womSirayelikazi phakathi koonyana bakaSirayeli;
waye engunyana womYiputa. Lo nyana womSirayelikazi nomfo wakwaSirayeli
bantlalana eminqubeni,

11unyana womSirayelikazi lowo walithuka iGama, watshabhisa. Bamzisa kuMoses
(igama lonina lalinguShelomiti, intombi kaDibri, wesizwe sakwaDan).

12Bamfaka elugcinweni, bade babahlulele loo nto ngokomlomo kaYehova.

13Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

14Mkhupheni lowo utshabhisileyo, abe ngaphandle kweminquba; bonke abo
bamvileyo bacinezele ngezandla zabo entlokweni yakhe, limxulube ngamatye lonke
ibandla.

15Uze uthethe koonyana bakaSirayeli, uthi, Umntu ngomntu, xa athe wamtshabhisa
uThixo wakhe, wosithwala isono sakhe.

16Olithukayo igama likaYehova makabulawe afe. Lonke ibandla lomxuluba okunene
ngamatye, kwanomphambukeli, kwanozalelwe ekhaya; ekulithukeni kwakhe iGama
makabulawe.

17Umntu othe wabetha umntu wafa, nokuba nguwuphi, makabulawe afe.

18Obethe inkomo yafa, woyimisela; umphefumlo ngomphefumlo.

19Umntu xa athe wamlimaza ummelwane wakhe, njengoko enze ngako,
makwenziwe ngako kuye:

20ukwaphulwa ngokwaphulwa, iliso ngeliso, izinyo ngezinyo. Njengoko amlimazileyo
umntu, makwenziwe ngoko kuye.

21Obethe inkomo yafa, woyimisela; ke obethe umntu wafa makabulawe.

22Masibe sinye isigwebo senu kumphambukeli nakozalelwe ekhaya; ngokuba
ndinguYehova uThixo wenu.

23Wathetha uMoses koonyana bakaSirayeli; bamkhuphela phandle kweminquba
lowo utshabhisileyo, bamxuluba ngamatye. Benza oonyana bakaSirayeli njengoko
uYehova wamwisela umthetho uMoses.

ILevitikus 25

Umnyaka wesabatha

1Wathetha uYehova kuMoses entabeni yaseSinayi, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Xa nithe nafika kulo ilizwe endininika lona,
ilizwe elo ke lophumla isabatha kuYehova.

3Wòyihlwayela iminyaka emithandathu intsimi yakho, usithêne isidiliya sakho
iminyaka emithandathu, uhlanganise ungeniselo lwaso;

© 1975 Bible Society of South Africa.

4ke umnyaka wesixhenxe woba yisabatha yesabatha kulo ilizwe, isabatha kuYehova.
Uze ungayihlwayeli intsimi yakho, ungasitheni isidiliya sakho;

5ungawuvuni ummilela wokuvuna kwakho, neediliya zesidiliya sakho
esingathenwanga uze ungazisiki. Woba ngumnyaka wesabatha kulo ilizwe.

6Isabatha yalo ilizwe yoba kukudla kuni, kuwe nakwisicaka sakho, nakwisicakakazi
sakho, nakumqeshwa wakho, nakolundwendwe kuwe,

7nakophambukele kuwe, nakwiinkomo zakho, nakwiinyamakazi ezisezweni lakho;
lonke ungeniselo lwalo loba kukudla.

Umnyaka wentlokoma

8Uze uzibalele iisabatha ezisixhenxe zeminyaka, iminyaka esixhenxe ibe zizihlandlo
ezisixhenxe, ize imihla yeesabatha ezisixhenxe zeminyaka ibe yiminyaka emashumi
mané aneminyaka esithoba kuwe;

9usihambise isigodlo sokumema ngenyanga yesixhenxe, ngolweshumi enyangeni
leyo; ngomhla wokucamagusha nosihambisa isigodlo ezweni lenu lonke;

10umnyaka niwungcwalise, umnyaka wamashumi omahlanu, nivakalise inkululeko
ezweni kubemi balo bonke. Wóba ngowentlokoma kuni, ukuba nibuyele elowo
elifeni lakhe, nibuyele elowo emizalwaneni yakhe.

11Umnyaka woba ngowentlokoma kuni, umnyaka wamashumi omahlanu, ukuba
ningahlwayeli, ningawuvuni ummilela, ningasisiki isidiliya esingathenwanga.

12Ngokuba le ntlokoma yoba ngcwele kuni; nolúdla luvela entsimini ungeniselo
lwayo.

13Ngalo mnyaka wentlokoma nobuyela elowo elifeni lakhe.

14Xa nithe nathengisa ngento ethengisayo kummelwane wenu, naxa uthe wathenga
esandleni sommelwane wakho, musani ukubandezelana.

15Wòthenga wena kummelwane wakho ngokwenani leminyaka emva komnyaka
wentlokoma; wóthengisa yena kuwe ngokwenani leminyaka yongeniselo.

16Ngokobuninzi beminyaka wolandisa ixabiso layo, nangokobuncinane beminyaka
wolinciphisa ixabiso layo; ngokuba ethengisa kuwe ngenani longeniselo.

17Ize ningabandezelani; uze umoyike uThixo wakho, ngokuba ndinguYehova, uThixo
wenu.

18Ize niyenze imimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze. Nohlala kulo ilizwe
nikholosile;

19ilizwe livelise iziqhamo zalo, nidle nihluthe, nihlale nikholosile kulo.

20Xa nithe, Sodla ntoni na ngomnyaka wesixhenxe? nanku singahlwayeli,
singahlanganisi lungeniselo lwethu:

© 1975 Bible Society of South Africa.

21ndoyiwisela umthetho intsikelelo yam ibe kuni ngomnyaka wesithandathu, iluvelise ungeniselo lweminyaka emithathu.

22Nòhlwayela ngomnyaka wesibhozo, nidle amahasa kude kube ngumnyaka wesithoba; nodla amahasa lude lufike ungeniselo lwawo.

23Ilizwe ze kungàthengiswa ngalo, libhange, kuba ilizwe lelam; ngokuba ningabaphambukeli neendwendwe kum;

24ezweni ke lonke lelifa lenu, ilizwe nolirholela intlawulelo.

25Xa athe umzalwana wakho wanzonza, wathengisa ngento yelifa lakhe, makeze owalamana naye ofanele ukumkhulula, ayikhulule ngokuyihlawulela loo nto wathengisa ngayo umzalwana wakhe.

26Umntu xa angenabani wokumkhulula, sibe sinokufikelela isandla sakhe sifumane okulingene ukuzikhululela ngentlawulelo:

27wóbala iminyaka yokuthengisa kwakhe, abuyisele okugqithiseleyo kuloo mntu wathengisa kuye, abuyele elifeni lakhe.

28Ukuba isandla sakhe asinakufumana okulingene ukubuyisela kuye loo nto wathengisa ngayo, yohlala esandleni salowo uyithengileyo, kude kube ngumnyaka wentlokoma. Yophuma ngowentlokoma, abuyele elifeni lakhe.

29Umntu xa athe wathengisa ngendlu yokuhlala, isemzini onodonga, yoba nokukhululwa ngentlawulelo ude uphele umnyaka wokuthengiswa kwayo; yoba ziintsuku ezithile isenokukhululwa ngentlawulelo.

30Ukuba ithe ayakhululwa ngentlawulelo, wada wazaliseka waphela umnyaka, yoqiniselwa kuphele indlu esemzini onodonga, kulowo wayithengayo ezizukulwaneni zakhe; ayi kuphuma ngomnyaka wentlokoma.

31Ke izindlu zemizana, engabiyelwe ngeendonga, zobalelwa ekuthini ngamasimi alo ilizwe: zoba nokukhululwa ngentlawulelo zona, ziphume ngomnyaka wentlokoma.

32Ke imizi yabaLevi, izindlu zemizi yelifa labo, zoba nokukhululwa ngentlawulelo nanini kubaLevi.

33Ethe yathengwa kubaLevi, indlu ekuthengiswe ngayo emzini welifa lakhe, yophuma ngomnyaka wentlokoma; ngokuba izindlu zemizi yabaLevi zililifa labo phakathi koonyana bakaSirayeli.

34Ilizwe ledlelo lemizi yabo makungathengiswa ngalo, ngokuba lilifa elingunaphakade kubo.

35Xa athe umzalwana wakho wanzonza, isandla sakhe solukela kuwe, sòmomeleza, aphile nawe engumphambukeli, elundwendwe kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Musa ukuthabatha nzala kuye, nalwando lwemboleko; uze woyike uThixo wakho, aphile umzalwana wakho kuwe.

37Imali yakho uze ungamniki ngenxa yenzala, ungamniki ukudla kwakho ngenxa yolwando lwemboleko:

38ndinguYehova uThixo wenu, onikhuphileyo ezweni laseYiputa, ukuze ndinike ilizwe lakwaKanan, ndibe nguThixo kuni.

39Xa athe umzalwana wakho wanzonza ekuwe, wazithengisa kuwe, uze ungamkhonzisi ngokukhonza kwekhoboka.

40Woba njengomqeshwa, njengolundwendwe kuwe; wókukhonza kude kube ngumnyaka wentlokoma;

41aphume kuwe enabantwana bakhe, abuyele emizalwaneni yakhe, abuyele elifeni likayise;

42ngokuba ngabakhonzi bam abo, endibakhuphileyo ezweni laseYiputa. Makungathengiswa ngabo ngokuthengiswa kwekhoboka.

43Uze ungamphathi ngokutyumzayo; uze woyike uThixo wakho.

44Ikhoboka lakho nekhobokazana lakho, la akuwe, oba ngabasezintlangeni eziningqongileyo; nothenga kuzo ikhoboka nekhobokazana.

45Kanjalo koonyana babaziindwendwe kuni, abaphambukele kuni, nothenga kubo, nasemizalwaneni yabo ekuni, abayizalele ezweni lenu; babe lilifa kuni.

46Nobenza babe lilifa koonyana benu emva kwenu, ukuba babathabathe babe lilifa, nibakhonzise ngonaphakade. Ke bona abazalwana benu, oonyana bakaSirayeli, mabangaphathani ngokutyumzayo.

47Xa sithe isandla somphambukeli nolundwendwe kuwe satyeba ekuwe, umzalwana wakho wanzonza ekuye, wazithengisa kumphambukeli olundwendwe kuwe, nakumlibo womzalwana womphambukeli:

48wóba nokukhululwa ngentlawulelo emva kokuzithengisa kwakhe. Omnye kubazalwana bakhe womkhulula ngentlawulelo;

49nokuba nguyisekazi, nokuba ngunyana kayisekazi, womkhulula ngentlawulelo; nokuba ngowenyama yenyama yakhe emizalwaneni yakhe, womkhulula ngentlawulelo; nokuba isandla sakhe sithe satyeba, wózikhulula ngokwakhe ngentlawulelo.

50Wóbalelana nowamthengayo, athabathele emnyakeni wokuthengiswa kwakhe kuye, ase emnyakeni wentlokoma, ithi imali yokuthengiswa kwakhe ime ngokwenani leminyaka abekuye, ngokwemihla yomqeshwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

51Ukuba isemininzi iminyaka, woyibuyisa kwimali yokuthengwa kwakhe, ibe ngangayo intlawulelo yokukhululwa kwakhe.

52Ukuba kuthe kwasala iminyaka embalwa, ukuze kube ngumnyaka wentlokoma, wóbala ngokweminyaka yakhe, abuyise intlawulelo yokukhululwa kwakhe.

53Wóba njengomqeshwa umnyaka ngomnyaka kuye; aze angamphathi ngokutyumzayo emehlweni akho.

54Ukuba úthe, àkakhululwa ngentlawulelo ngabo abo, wophuma ngomnyaka wentlokoma, yena enabantwana bakhe.

55Ngokuba kum oonyana bakaSirayeli ngabakhonzi; bangabakhonzi bam endibakhuphileyo ezweni laseYiputa. NdinguYehova, uThixo wenu.

ILevitikus 26

Iziyalo zokugqibela

1Ize ningazenzeli izinto ezingení, nomfanekiso oqingqiweyo, ningaziphakamiseli isimiso samatye, ningagxumeki ilitye elingumfanekiso ezweni lenu, ukuba niqubude kulo; ngokuba ndinguYehova, uThixo wenu.

2Ize nizigcine iisabatha zam, niyoyike ingcwele yam: ndinguYehova.

3Ukuba nithe nahamba emimiselweni yam, nayigcina imithetho yam, nayenza,

4ndoninika iziphango zenu ngexesha lazo; ilizwe lininike indyebo yalo, nemithi yentsimi ivelise iziqhamo zayo;

5nento eniyibhulileyo ifikele ekuvunweni kweediliya, ukuvunwa kweediliya kufikelele ekuhlwayeleni, nidle isonka senu, nihluthe, nihlale ezweni lenu nikholosile.

6Ndoninika uxolo ezweni elo, nilale; kungabikho bani unigubhisayo, ndilisuse irhamncwa ezweni elo, ikrele lingahambi ezweni lenu;

7nizisukele iintshaba zenu, zeyele ekreleni phambi kwenu.

8Níbahlanu, nosukela ikhulu; nílikhulu, nosukela amawaka alishumi, zeyele ekreleni iintshaba zenu phambi kwenu.

9Ndonibeka, ndiniqhamise, ndinandise, ndiwumise umnqophiso wam nani, nídle amahasa,

10nikhuphe amahasa endawni yokudla okutsha;

11ndiwumise umnquba wam phakathi kwenu, ningadimalelwa ngumphefumlo wam.

12Ndohamba phakathi kwenu, ndibe nguThixo wenu, nina nibe ngabantu bam.

13NdinguYehova uThixo wenu, onikhuphileyo ezweni laseYiputa, ukuba ningabi ngamakhoboka awo; ndazaphula iidyokhwe zenu, ndanihambisa nathi nkqo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ukuba nithe anandiphulaphula, anayenza le mithetho yonke;

15ukuba nithe nayicekisa imimiselo yam; ukuba uthe umphefumlo wenu wadimala ngamasiko am, ukuze ningayenzi imithetho yam yonke, nesuka nawaphula umnqophiso wam:

16nam ndiya kwenza oku kuni: ndiya kunivelela ngento ekhwankqisayo, ngesifo sephepha, nangecesina ephelisa amehlo, eyethisa umphefumlo; nifumane nihlwayele imbewu yenu, idliwe ziintshaba zenu.

17Ndonichasa nina, ukuze nibethwe phambi kweentshaba zenu, baninyathele abanithiyayo, nisabe kungekho unisukelayo.

18Ukuba nithe anandiphulaphula noko kungako, ndokongeza ukunithethisa kasixhenxe ngenxa yezono zenu.

19Ndolaphula iqhayiya lamandla enu; izulu lenu ndilenze libe njengesinyithi, ilizwe lenu libe njengobhedu;

20agqitywe ngelizé amandla enu, ilizwe lenu lingayivelisi indyebo yalo, nemithi yelizwe ingazivelisi iziqhamo zayo.

21Ukuba nithe nahamba ngokundichasa, anavuma ukundiphulaphula, ndosongeza kuni isibetho kasixhenxe ngokwezono zenu;

22ndinithumele amarhamncwa, awonihlutha abantwana benu, aqwenge neenkomo zenu, anenze nibe mbalwa, neendlela zenu zingàhanjwa.

23Ukuba nithe anavuma ukuthethiswa ndim noko kungako, nahamba ngokundichasa,

24nam ndohamba ngokunichasa, nam ndinibethe kasixhenxe ngenxa yezono zenu.

25Ndonizisela ikrele eliyiphindezelayo impindezelo yomnqophiso. Nokuba nihlanganiséne emizini yenu, ndothuma indyikitya yokufa phakathi kwenu, ninikelwe esandleni sotshaba.

26Ekuwaphuleni kwam umsimelelo osisonka senu, abafazi abalishumi bososela zikweni-nye isonka senu, basibuyise isonka senu besilinganisile, nidle ningahluthi.

27Ukuba nithe anandiphulaphula noko kungako,

28nahamba ngokundichasa, ndohamba ngokunichasa ngokushushu, ndinithethise nam kasixhenxe ngenxa yezono zenu;

29nidle inyama yoonyana benu, nidle nenyama yeentombi zenu.

30Ndozitshabalalisa izigánga zenu, ndizigawule iintsika zenu zelanga, ndiziphose izidumbu zenu phezu kwezidumbu zezigodo ezizizithixo zenu; umphefumlo wam udimale níni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Imizi yenu ndoyenza amanxuwa, ndizenze kube senkangala iingcwele zenu, ndingalivi ivumba lenu lokuthozamisa;

32ilizwe ndilènze mna kube senkangala, iintshaba zenu ezimiyo kulo zimangaliswe lilo.

33Ndonichithachitha phakathi kweentlanga, ndirhole ikrele lam emva kwenu, ilizwe lenu kube senkangala, imizi yenu ibe ngamanxuwa.

34Liya kwandula ukwaneliswa ziisabatha zalo ilizwe, yonke imihla ekusenkangala ngayo, nina ke nísezweni leentshaba zenu. Liya kwandula ukuphumla ilizwe, laneliswe ziisabatha zalo.

35Yonke imihla ekusenkangala ngayo lophumla; oko lingakuphumlanga ngeesabatha zenu ekulihlaleni kwenu.

36Abaseleyo kuni, ndongenisa inyungu ezintliziyweni zabo emazweni eentshaba zabo; bagxothwe kukurhashaza kwegqabi eliphetshethwayo, basabe ngathi basaba ikrele, bawe kungekho ubasukelayo;

37bakhubeke omnye komnye njengaphambi kwekrele, kungekho ubasukelayo. Anisayi kuba nakumisa phambi kweentshaba zenu.

38Nobhubha phakathi kweentlanga, ilizwe leentshaba zenu linidle.

39Abaseleyo kuni bongcungcutheka ebugwenxeni babo emazweni eentshaba zenu, nasebugwenxeni booyise, bangcungcutheke benabo.

40Ukuba ke bathe babuvuma ubugwenxa babo nobugwenxa booyise — ngenxa yokumeneza kwabo, abameneze ngako kum, nangenxa yokuhamba ngokundichasa,

41endathi nam ndahamba ngokubachasa, ndabása ezweni leentshaba zabo — kanye ukuba zithe zathobeka iintliziyo zabo ezingalukanga; ukuba bathe bandula ukwaneliswa bubugwenxa babo:

42ndowukhumbula umnqophiso wam noYakobi, kwanomnqophiso wam noIsake, kwanomnqophiso wam noAbraham; nelizwe ndilikhumbule.

43Nelizwe liya kushiywa ngabo laneliswe ziisabatha zalo, xa kuthe kwasenkangala, ababakho kulo; baneliswe bona bubugwenxa babo ngenxa enokuba bawacekisayo amasiko am, nomphefumlo wabo wadimala yimimiselo yam.

44Kanti ke noko kude kwanjalo, baba sezweni leentshaba zabo, àndibacekisele; àndidimele ngabo ukuba ndibagqibe, ndaphule umnqophiso wam nabo; kuba ndinguYehova, uThixo wabo.

45Ndonikhumbulela umnqophiso wam namanyange endiwakhuphe ezweni laseYiputa phambi kweentlanga, ukuba ndibe nguThixo kubo; ndinguYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

46Yiyo leyo imimiselo, namasiko, nemiyalelo, awayenzayo uYehova phakathi kwakhe noonyana bakaSirayeli, entabeni yaseSinayi, ngesandla sikaMoses.

ILevitikus 27

Imithetho yezibhambathiso nezishumi

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Xa athe umntu wenza isibhambathiso esibalulekileyo, imiphefumlo yoba yeka Yehova ngokulinganisela kwakho.

3Ke, ukulinganisela kwakho, oyindoda makuthabathele kominyaka imashumi mabini ezelwe, kuse kominyaka imashumi mathandathu ezelwe: ukulinganisela kwakho makube ziishekele zesilivere ezimashumi mahlanu zengcwele.

4Ke ukuba yinkazana, ukulinganisela kwakho makube ziishekele ezimashumi mathathu.

5Ukuba kuthabathele kumntwana ominyaka mihlanu, kwesa kumntwana ominyaka imashumi mabini, ukulinganisela kwakho oyindoda makube ziishekele ezimashumi mabini; oyinkazana, makube ziishekele ezishumi-nye.

6Ukuba kuthabathele kumntwana onyanga-nye, kwesa kumntwana ominyaka mihlanu, ukulinganisela kwakho oyindoda makube ziishekele zesilivere ezintlanu; ukulinganisela kwakho oyinkazana makube ziishekele zesilivere ezintathu.

7Ukuba kuthabathele kominyaka imashumi mathandathu ezelwe kwenyusa, ukuba uyindoda, ukulinganisela kwakho makube ziishekele ezilishumi elinesihlanu; oyinkazana, makube ziishekele ezishumi-nye.

8Ke ukuba úthe wanzonza kunokulinganisela kwakho, makamiswe phambi kombingeleli, umbingeleli amlinganisele; ngento esinokuyifumana isandla salowo ubhambathisileyo, umbingeleli amlinganisele.

9Ukuba yinkomo leyo, kusondezwa yona ukuba ibe ngumsondezo kuYehova, yonke into enjalo enikelwa kuYehova mayibe ngcwele.

10Ize ingàguqulwa, ize ingànanwa, elungileyo ngembi, embi ngelungileyo; ukuba uthe wanana ukwanana oku inkomo ngenkomo, mayibe ngcwele yona, kwanaleyo kwananwe ngayo.

11Ke ukuba yinto ezitho ziné eyinqambi, nokuba yiyiphi, ekungàsondezwa msondezo wayo kuYehova, into leyo izitho ziné mayimiswe phambi kombingeleli,

12umbingeleli ayilinganisele, abethe phakathi kwelungileyo nembi; yoba njengokulinganisela kwakho, wena mbingeleli.

13Ukuba úthe wayikhulula okunene ngentlawulelo, makongeze isahlulo sesihlanu sayo kuko oko kulinganisela kwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Xa athe umntu wayingcwalisa indlu yakhe ukuba ibe ngcwele kuYehova, umbingeleli makayilinganisele, abethe phakathi kwelungileyo nembi; njengoko umbingeleli ayilinganiseleyo, yoqiniseka ngokunjalo.

15Ukuba lowo wayingcwalisayo uthe wayikhulula ngentlawulelo indlu yakhe, makongeze isahlulo sesihlanu sesilivere yokulinganisela kwakho kuko oko, ibe yeyakhe.

16Ukuba umntu uthe wangcwalisa kuYehova inxalenye yentsimi yelifa lakhe, ukulinganisela kwakho makube ngokwembewu yayo, ihomere yembewu yerhasi ngeeshekele zesilivere ezimashumi mahlanu.

17Ukuba úthe wayingcwalisa intsimi yakhe, ethabathe emnyakeni wentlokoma, mayiqiniseke ngokulinganisela kwakho.

18Ukuba úthe wayingcwalisa intsimi yakhe emva kowentlokoma, umbingeleli makambalele imali ngokweminyaka esaseleyo, kuse emnyakeni wentlokoma, iphungulwe kweyokulinganisela kwakho.

19Ukuba lowo wayingcwalisayo uthe wayikhulula okunene ngentlawulelo intsimi, makongeze isahlulo sesihlanu semali yokulinganisela kwakho kuko oko, iqiniseke kuye.

20Ukuba úthe akayikhulula ngentlawulelo intsimi, nokuba uthe wathengisa ngentsimi leyo komnye umntu, mayingabi sakhululwa ngentlawulelo.

21Loo ntsimi yoba ngcwele kuYehova, ekuphumeni kwayo kuloo mntu ngomnyaka wentlokoma, njengentsimi eyahlulelwe ukuba ibe lilifa lombingeleli.

22Ukuba úthe wangcwaliswa kuYehova intsimi yentengo yakhe, ingentsimi yelifa lakhe,

23umbingeleli makambalele inani lokulinganisela kwakho, kuse emnyakeni wentlokoma, anike ukulinganisela kwakho ngaloo mhla, kube njengento engcwele kuYehova.

24Ngomnyaka wentlokoma intsimi mayibuyele kulowo yathengwa kuye, kulowo belilelakhe ilifa lomhlaba.

25Konke ukulinganisela kwakho makube ngeshekele yengcwele; ishekele yoba ziigera ezimashumi mabini.

26Ngamazibulo odwa ezintweni ezizitho ziné, azityulelwa kuYehova, angayi kungcwaliswa mntu, nokuba yinkomo, nokuba yimvu; ngakaYehova.

27Ukuba ngawezinto ezizitho ziné eziziinqambi, makamiselwe ngokulinganisela kwakho, kongezwe isahlulo sesihlanu sayo kuko oko; ke ukuba athe akakhululwa ngentlawulelo, makuthengiswe ngawo ngokulinganisela kwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Kodwa yonke into esingelwe phantsi, asukuba umntu eyisingela kuYehova entweni yonke anayo, nokuba ngumntu, nokuba yinto ezizitho ziné, nokuba yintsimi yelifa lakhe, makungathengiswa ngayo, mayingakhululwa nangentlawulelo. Yonke into esingelwe phantsi yingcwele kangcwele kuYehova.

29Yonke into esingelwe phantsi ethe yasingelwa phantsi íngumntu, mayingakhululwa nangokumiselwa; mayibulawe ife.

30Sonke isishumi somhlaba, sembewu yomhlaba, seziqhamo zomthi, sesikaYehova; singcwele kuYehova.

31Ukuba uthe umntu wasikhulula okunene ngentlawulelo isishumi sakhe, makongeze kuso isahlulo sesihlanu saso.

32Sonke isishumi seenkomo, nasempahleni emfutshane, yonke into ethubeleza phantsi kwentonga, eyeshumi mayibe ngcwele kuYehova.

33Makangagocagoci phakathi kwelungileyo nembi, angayanani; ukuba uthe wayanana ukuyanana oku, mayibe ngcwele yona, naleyo kwananwe ngayo mayingakhululwa ngentlawulelo.

34Yiyo leyo imithetho uYehova wayiwisela uMoses ngenxa yoonyana bakaSirayeli, entabeni yaseSinayi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

INumeri

INumeri 1

Ukubalwa kwezizwe ezilishumi elinanye

1Wathetha uYehova kuMoses entlango yaseSinayi, ententeni yokuhlangana,
ngolokuqala usuku lwenyanga yesibini, ngomnyaka wesibini wokuphuma kwabo
ezweni laseYiputa, esithi,

2Thabathani inani lebandla lonke loonyana bakaSirayeli, ngokwemizalwane yabo
ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, yonke into eyindoda, ngokwentloko yayo.

3Nothabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe ninyuse, bonke abaphuma
umkhosi kwaSirayeli; nibabale emlibeni ngokwemikhosi yabo, wena noAron;

4kubekho nani indoda esizweni ngasinye, indoda eyintloko yendlu kayise.

5Ngawo la amagama amadoda aya kuma nani: kwaRubhen: uElitsure unyana
kaShediyure;

6kwaSimon: uShelumiyeli unyana kaTsurishadayi;

7kwaYuda: uNashon unyana ka-Aminadabhi;

8kwaIsakare: uNathaniyeli unyana kaTsuhare;

9kwaZebhulon: uEliyabhi unyana kaHelon;

10koonyana bakaYosefu: kwaEfrayim: uElishama unyana ka-Amihudi; kwaManase:
uGamaliyeli unyana kaPedatsure;

11kwaBhenjamin: uAbhidan unyana kaGidiyoni;

12kwaDan: uAhiyezere unyana ka-Amishadayi;

13kwa-Ashere: uPagiyeli unyana kaOkran; kwaGadi:

14uEliyasafu unyana kaDehuweli; kwaNafetali:

15uAhira unyana kaEnan.

16Ngabo abo babizwe libandla, abazizikhulu zezizwe zooyise, abaziintloko zamawaka
akwaSirayeli bona.

17OoMoses noAron bawathabatha loo madoda ahleliweyo ngamagama.

18Balibizela ndawonye lonke ibandla ngolokuqala usuku lwenyanga yesibini, ukuba
baxele ukuzalwa kwabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani
lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse,
ngokweentloko zabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses, wababala entlango yaseSinayi.

20Koonyana bakaRubhen, owamazibulo kaSirayeli, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, ngokweentloko zabo, yonke into eyindoda ethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, inyuse, bonke abaphuma umkhosi:

21abalwáyo kubo besizwe sakwaRubhen, baba ngamashumi amané anamathandathu amawaka, anamakhulu mahlanu.

22Koonyana bakaSimon, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ababalwa kubo ngenani lamagama, ngokweentloko zabo, yonke into eyindoda ethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, inyuse, bonke baphuma umkhosi:

23ababalwáyo kubo besizwe sakwaSimon, baba ngamashumi amahlanu anesithoba amawaka, anamakhulu mathathu.

24Koonyana bakaGadi, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

25ababalwáyo kubo besizwe sakwaGadi, baba ngamashumi amané anamahlanu amawaka, anamakhulu mathandathu, anamanci mahlanu.

26Koonyana bakaYuda, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

27ababalwáyo kubo besizwe sakwaYuda, baba ngamashumi asixhenxe anamané amawaka, anamakhulu mathandathu.

28Koonyana bakaIsakare, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

29ababalwáyo kubo besizwe sakwa Isakare, baba ngamashumi amahlanu anamané amawaka, anamakhulu mané.

30Koonyana bakaZebhulon, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

31ababalwáyo kubo besizwe sakwaZebhulon, baba ngamashumi amahlanu anesixhenxe amawaka, anamakhulu mané.

32Koonyana bakaYosefu: koonyana bakaEfrayim: inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

© 1975 Bible Society of South Africa.

33ababalwáyo kubo besizwe sakwaEfrayim, baba ngamashumi amané amawaka, anamakhulu mahlanu.

34Koonyana bakaManase, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

35ababalwáyo kubo besizwe sakwaManase, baba ngamashumi amathathu anamabini amawaka, anamakhulu mabini.

36Koonyana bakaBhenjamin, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwenzindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

37ababalwáyo kubo besizwe sakwaBhenjamin, baba ngamashumi amathathu anamahlanu amawaka, anamakhulu mané.

38Koonyana bakaDan, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

39ababalwáyo kubo besizwe sakwaDan, baba ngamashumi amathandathu anamabini amawaka, anamakhulu asixhenxe.

40Koonyana baka-Ashere, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke baphuma umkhosi:

41ababalwáyo kubo besizwe sakwa-Ashere, baba ngamashumi amané analinye amawaka, anamakhulu mahlanu.

42Koonyana bakaNafetali, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, ngenani lamagama, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi:

43ababalwáyo kubo besizwe sakwaNafetali, baba ngamashumi amahlanu anamathathu amawaka, anamakhulu mané.

44Ngabo abo babalwáyo, babalwáyo nguMoses, noAron, nezikhulu zakwaSirayeli ezilishumi elinazibini, iyileyo indoda ibalelwa indlu kayise.

45Bonke ababalwáyo boonyana bakaSirayeli ngokwezindlu zooyise, bathabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abaphuma umkhosi kwaSirayeli:

46bonke ababalwáyo baba ngamakhulu amathandathu amawaka, anamawaka mathathu, anamakhulu mahlanu, anamanci mahlanu.

AbaLevi

47Ke bona abaLevi, ngokwesizwe sezindlu zooyise, àbabalelwanga phakathi kwabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

48Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

49Kodwa sona isizwe sakwaLevi uze ungasibali; ungalithabathi inani laso phakathi koonyana bakaSirayeli.

50Wena ke abaLevi uze ubenze bavelele umnquba wesingqino nempahla yawo yonke, nento yonke ekuwo, bawuthwale umnquba nempahla yawo yonke, balungiselele kuwo, bamise iintente zabo ngeenxa zonke emnqubeni.

51Ekundulukeni komnquba wówiswa ngabaLevi; ekumisweni komnquba wóphakanyiswa ngabaLevi; owasemzini osondelayo kuwomakabulawe.

52Oonyana bakaSirayeli bomisa elowo intente yakhe eminqubeni yakowabo, elowo ebhanileni yakowabo, ngokwemikhosi yabo.

53AbaLevi bona bozimisa ezabo ngeenxa zonke emnqubeni wesingqino, ukuze kungezi burhalarhume phezu kwebandla loonyana bakaSirayeli, basigcine abaLevi isigxina somnquba wesingqino.

54Benza ke oonyana bakaSirayeli; njengako konke uYehova abemwisele umthetho uMoses, benjenjalo.

INumeri 2

Ulungelelwano lwezizwe eminqubeni naseluhambeni

1Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

2Elowo koonyana bakaSirayeli woyimisa intente yakhe ngakwibhanile yakowabo, eziqondisweni zezindlu zooyise, bamise malunga nentente yokuhlangana ngeenxa zonke.

3Abomisa phambili ngasempumalanga boba ngabebhanile yakwaYuda ngokwemikhosi yabo; inkulu yoonyana bakaYuda nguNashon, unyana ka-Aminadabhi;

4umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi osixhenxe anesiné amawaka, anamakhulu mathandathu.

5Abomisa ngakuye yoba sisizwe sakwaIsakare; inkulu yoonyana bakaIsakare nguNathaniyeli, unyana kaTsuhare;

6umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omahlanu anamané amawaka, anamakhulu mané.

7Ize kulandele isizwe sakwaZebhulon; inkulu yoonyana bakaZebhulon nguEliyabhi, unyana kaHelon;

8umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omahlanu anesixhenxe amawaka, anamakhulu mané.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Bonke ke ababalelwa eminqubeni yakwaYuda likhulu lamawaka, anamanci osibhozo amawaka, anesithandathu samawaka, anamakhulu mané, ngokwemikhosi yabo. Bonduluka kuqala bona.

10Ibhanile yeminquba yakwaRubhen yoba ngasezantsi ngokwemikhosi yabo; inkulu yoonyana bakaRubhen nguElitsure, unyana kaShedeyure;

11umkhosi wakhe, abo babalwáyo kuye, ngamashumi omané anesithandathu samawaka, anamakhulu mahlanu.

12Abomisa ngakuye yoba sisizwe sakwaSimon; inkulu yoonyana bakaSimon nguShelumiyeli, unyana kaTsurishadayi;

13umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omahlanu anesithoba amawaka, anamakhulu mathathu.

14Ize kulandele isizwe sakwaGadi; inkulu yoonyana bakaGadi nguEliyasafu, unyana kaRehuweli;

15umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omané anesihlanu amawaka, anamakhulu mathandathu, anamanci mahlanu.

16Bonke ke ababalelwa eminqubeni yakwaRubhen likhulu lamawaka, elinamanci mahlanu amawaka, anawakanye, linamakhulu mané, anamanci mahlanu, ngokwemikhosi yabo. Bonduluka beyeyesibini.

17Yoncothulwa intente yokuhlangana, ineminquba yabaLevi phakathi kweminye iminquba; njengoko bamisa ngako, bonduluka ngako, elowo endaweni yakhe ngokwebhanile yakowabo.

18Ibhanile yeminquba yakwaEfrayim yoba ngasentshonalanga, ngokwemikhosi yabo; inkulu yoonyana bakaEfrayim nguElishama, unyana ka-Amihude;

19umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omané amawaka, anamakhulu mahlanu.

20Ngakuye ibe sisizwe sakwaManase; inkulu yoonyana bakaManase nguGamaliyeli, unyana kaPedatsure;

21umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omathathu anesibini amawaka, anamakhulu mabini.

22Kuze kulandele isizwe sakwaBhenjamin; inkulu yoonyana bakaBhenjamin nguAbhidan, unyana kaGidiyoni;

23umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omathathu anesihlanu amawaka, anamakhulu mané.

24Bonke ke ababalelwa eminqubeni yakwaEfrayim likhulu lamawaka, anesibhozo samawaka anakhulu-nye, ngokwemikhosi yabo. Bonduluka beyeyesithathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Ibhanile yeminquba yakwaDan yoba ngasentla, ngokwemikhosi yabo; inkulu
yoonyana bakaDan nguAhiyezere, unyana ka-Amishadayi;

26umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omathandathu anesibini
amawaka, anamakhulu asixhenxe.

27Abomisa ngakuye yoba sisizwe sakwa-Ashere, inkulu yoonyana baka-Ashere
nguPagiyeli, unyana kaOkran;

28umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omané amawaka, anawaka-
nye, linamakhulu mahlanu.

29Ize kulandele isizwe sakwaNafetali; inkulu yoonyana bakaNafetali nguAhira,
unyana kaEnan;

30umkhosi wakhe, abo babalwáyo kubo, ngamashumi omahlanu anesithathu
samawaka, anamakhulu mané.

31Bonke ke ababalelwa eminqubeni yakwaDan likhulu lamawaka, anamanci
omahlanu anesixhenxe samawaka, anamakhulu mathandathu. Bonduluka
bengabokugqibela, ngokweebhanile zabo.

32Ngabo ke abo babalwáyo koonyana bakaSirayeli, ngokwezindlu zooyise; bonke
ababalelwa eminqubeni ngokwemikhosi yabo ngamakhulu omathandathu amawaka,
anesithathu samawaka, anamakhulu mahlanu, anamanci mahlanu.

33Ke abaLevi ababalelwanga phakathi koonyana bakaSirayeli, njengoko uYehova
wamwiselayo umthetho uMoses.

34Benza ke oonyana bakaSirayeli; njengako konke uYehova abemwisele umthetho
uMoses, benjenjalo ukumisa iintente ngokweebhanile zakowabo; benjenjalo
ukunduluka, elowo ngokomzalwane wakhe, ngokwezindlu zooyise.

INumeri 3

AbaLevi: Iimfanelo zabo namanani abo

1Yiyo le inzala ka-Aron noMoses, mini uYehova wathethayo noMoses entabeni
yaseSinayi.

2Ngawo la amagama oonyana baka-Aron: owamazibulo nguNadabhi, noAbhihu,
uElazare, noItamare.

3Ngawo lawo amagama oonyana baka-Aron, ababingeleli abathanjiswáyo, bamiselwa
ukuba babe ngababingeleli.

4Bafa ooNadabhi noAbhihu phambi koYehova, ekusondezeni kwabo umlilo
ongesesikweni phambi koYehova, entlango yaseSinayi; àbaba nanyana bona. Baba
ngababingeleli ooElazare noItamare ebusweni buka-Aron uyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

6Sisondeze isizwe sakwaLevi, usimise phambi koAron umbingeleli, ukuba balungiselele kuye.

7Bosigcina isigxina sakhe nesigxina sebandla lonke phambi kwentente yokuhlangana, ukuba basebenze umsebenzi womnquba;

8-10bazigcine iimpahla zonke zentente yokuhlangana, nesigxina soonyana bakaSirayeli, ukuba basebenze umsebenzi womnquba. Wòmnika abaLevi uAron noonyana bakhe, abanikwe banikwa ngoonyana bakaSirayeli; ooAron noonyana bakhe ubenze bavelele babugcine ububingeleli babo. Owasemzini osondelayo makabulawe.

11Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

12Uyabona, mna ndibathabathile abaLevi phakathi koonyana bakaSirayeli, esikhundleni samazibulo onke avula isizalo phakathi koonyana bakaSirayeli, baba ngabam abaLevi;

13kuba onke amazibulo ngawam, mini ndawabethayo onke amazibulo ezweni laseYiputa, ndazingcwalisela onke amazibulo kwaSirayeli, ethabathela emntwini esa enkomeni. Oba ngawam, mna Yehova.

14Wathetha uYehova kuMoses entlango yaseSinayi, esithi,

15Babale oonyana bakaLevi ngokwezindlu zooyise, ngokwemizalwane yabo; yonke into eyindoda, ethabathela kunyana onyanganye inyuse, woyibala.

16Wababala ke uMoses ngokomlomo kaYehova, njengoko wamwiselayo umthetho.

17Ngabo aba oonyana bakaLevi ngamagama abo: nguGershon noKehati noNerari.

18Ngawo la amagama oonyana bakaGershon ngokwemizalwane yabo: nguLibheni noShimehi.

19Oonyana bakaKehati ngokwemizalwane yabo: nguAmram noItsare, nguHebron noUziyeli.

20Oonyana bakaMerari ngokwemizalwane yabo: nguMaheli noMushi. Yiyo leyo imizalwane yakwaLevi ngokwezindlu zooyise.

21KwaGershon ngumzalwane wakwaLibheni, nomzalwane wakwaShimehi; yiyo leyo imizalwane yakwaGershon.

22Ababalwáyo kubo ngenani lawo, yonke into eyindoda ethabathela kunyana onyanga-nye inyuse, ababalwáyo kubo: ngamawaka asixhenxe, anamakhulu mahlanu.

23Imizalwane yakwaGershon yomisa intente ngasemva komnquba ngasentshonalanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Inkulu yendlu yooyise kwaGershon nguEliyasafu, unyana kaLayeli.

25Isigxina soonyana bakaGershon ententeni yokuhlangana soba ngumnquba, nentente, nesigubungelo sayo, nesisitheliso somnyango wentente yokuhlangana,

26namawundu entendelezo, nesisitheliso somnyango wentendelezo esemnqubeni nasesibingelelweni ngeenxa zonke, nezintya zawo emsebenzini wawo wonke.

27KwaKehati ngumzalwane wakwa-Amram, nomzalwane wakwaItsare, nomzalwane wakwaHebron, nomzalwane wakwa-Aziyeli; yiyo leyo imizalwane yakwaKehati.

28Ngénani, into yonke eyindoda, ethabathela kunyana onyanganye yenyusa: ngamawaka osibhozo, anamakhulu mathandathu, egcine isigxina sengcwele.

29Imizalwane yoonyana bakaKehati yomisa intentengecalalomnquba elingasezantsi.

30Inkulu yendlu yooyise ngokwemizalwane yakwaKehati nguElitsafan, unyana kaUziyeli.

31Isigxina sabo yityeya, netafile, nesiphatho sezibane, nezibingelelo, neempahla zengcwele abalungiselela ngazo, nesisitheliso, nomsebenzi wawo wonke.

32Inkulu yezikhulu zakwaLevi nguElazare, unyana ka-Aron umbingeleli, umveleli wabagcina isigxina sengcwele.

33KwaMerari ngumzalwane wakwaMaheli, nomzalwane wakwaMushi; yiyo leyo imizalwane yakwaMerari.

34Ababalwáyo kubo ngenani lawo, yonke into eyindoda, ethabathela kunyana onyanga-nye inyuse: ngamawaka amathandathu, anamakhulu mabini.

35Inkulu yendlu yooyise ngokwemizalwane yakwaMerari nguTsuriyeli, unyana ka-Abhihayili; yomisa iintente ngecala lomnquba elingasentla.

36Isigxina soonyana bakaMerari kukugcina iiplanga zomnquba nemivalo yawo, neentsika zawo, neziseko zawo, neempahla zawo zonke, nomsebenzi wawo wonke,

37neentsika zentendelezo ngeenxa zonke, neziseko zazo, nezikhonkwane zazo, nezintya zazo.

38Abomisa iintente phambi komnquba ngasempumalanga, phambi kwentente yokuhlangana, nguMoses, noAron, noonyana bakhe, abagcina isigxina sengcwele, ngokwesigxina soonyana bakaSirayeli. Owasemzini osondelayo makabulawe.

39Bonke ke ababalwáyo bakwaLevi, ababalwáyo nguMoses noAron ngokomlomo kaYehova, ngokwemizalwane yabo, yonke into eyindoda, ethabathela kunyana onyanga-nye inyuse: ngamashumi amabini anamabini amawaka.

40Wathi uYehova kuMoses, Wabale onke amazibulo ento eyindoda koonyana bakaSirayeli, ethabathela kunyana onyanga-nye anyuse, uthabathe inani lamagama awo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

41Wòndithabathela mna Yehova abaLevi, esikhundleni samazibulo onke aphakathi koonyana bakaSirayeli; neenkomo zabaLevi esikhundleni samazibulo onke ezinkomeni zoonyana bakaSirayeli.

42Wawabala ke uMoses onke amazibulo phakathi koonyana bakaSirayeli, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho;

43onke amazibulo ento eyindoda ngenani lamagama, ethabathela kunyana onyanga-nye anyuse, ngokubalwa kwawo, aba ngamashumi amabini anamabini amawaka, anamakhulu mabini, anamanci asixhenxe anesithathu.

44Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

45Thabatha abaLevi esikhundleni samazibulo onke, phakathi koonyana bakaSirayeli, neenkomo zabaLevi, esikhundleni seenkomo zabo, babe ngabam abaLevi, mna Yehova.

46Ke amakhulu amabini, anamanci asixhenxe anamathathu aza kukhululwa ngokumiselwa, kumazibulo oonyana bakaSirayeli, agqithiseleyo kubaLevi.

47Uze uthabathe iishekele zibe ntlanu ngentloko yomntu, uthabathe ngokweshekele yengcwele (ishekele leyo iziigera ezimashumi mabini);

48umnike uAron noonyana bakhe loo mali yabakhululwe ngokumiselwa, abagqithiseleyo kubo.

49Wayithabatha ke uMoses loo mali yokukhululwa kwabo bagqithiseleyo kwabakhululwe ngabaLevi ngokumiselwa;

50wayithabatha kumazibulo oonyana bakaSirayeli imali, iliwaka elinamakhulu mathathu, anamanci amathandathu anesihlanu, ngokweshekele yengcwele.

51UMoses wayinika uAron noonyana bakhe imali leyo yenkululo, ngokomlomo kaYehova, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

INumeri 4

Iimfanelo zabaLevi eluhambeni

1Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

2Libale inani loonyana bakaKehati abaphakathi koonyana bakaLevi ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise,

3uthabathele kominyaka imashumi mathathu ezelwe, unyuse, use kominyaka imashumi mahlanu ezelwe: labo bonke abeza kuphuma umkhosi, ukuba benze umsebenzi enteteni yokuhlangana.

4Nguwo lo umsebenzi woonyana bakaKehati ententeni yokuhlangana wengcwele kangcwele:

© 1975 Bible Society of South Africa.

5ekundulukeni komkhosi eminqubeni bongena ooAron noonyana bakhe, bawuthule umkhusane osisisitheliso, bayigubungele ngawo ityeya yesingqino.

6Bobeka phezu kwawo isigubungelo sezikhumba zamahlengezi batwabulule ngaphezulu ingubo ebala limsi liphela, bazifake izibonda zawo.

7Ize batwabulule ingubo ebala limsi phezu kwetafile yezonka zokubonisa, babeke phezu kwayo izitya, neenkamba, namathunga, neendebe zokuthululwa, nezonka zamaxhesha onke, zibe phezu kwayo.

8Botwabulula phezu kwazo ingubo ebomvu, bagubungele ngesigubungelo sezikhumba zamahlengezi, bafake izibonda zayo.

9Bothabatha ingubo ebala limsi, bagubungele isiphatho sezikhanyiso nezibane zaso, nezifinyiso zaso, neenkamba zaso, nazo zonke izitya zeoli zaso abasilungiselela ngazo;

10basibeke nempahla yaso yonke esigubungelweni sezikhumba zamahlengezi, basibeke ethaleni.

11Ize batwabulule phezu kwesibingelelo segolide ingubo ebala limsi, bayigubungele ngesigubungelo sezikhumba zamahlengezi, bafake izibonda zaso.

12Bothabatha yonke impahla yokulungiselela, abalungiselela ngayo engcweleni, bayibeke engutyeni ebala limsi, bayigubungele ngesigubungelo sezikhumba zamahlengezi, bayibeke ethaleni.

13Boluwola uthuthu lwesibingelelo, batwabulule phezu kwaso ingubo emfusa;

14bazibeke phezu kwayo zonke iimpahla zaso, abalungiselela ngazo kuso: iingcedevu zamalahle, neefolokhwe, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza, zonke iimpahla zesibingelelo, batwabulule phezu kwazo isigubungelo sezikhumba zamahlengezi, bafake izibonda zaso;

15bagqibe ooAron noonyana bakhe ukuyigubungela ingcwele nempahla yonke yengcwele ekundulukeni komkhosi eminqubeni. Emveni koko ke boza kuthwala oonyana bakaKehati; bangayichukumisi ingcwele, hleze bafe. Nguwo lowo umthwalo woonyana bakaKehati ententeni yokuhlangana.

16Isigxina sikaElazare, unyana ka-Aron, umbingeleli, kukugcina ioli yesikhanyiso, nesiqhumiso esimnandi, nomnikelo wokudla wamaxesha onke, neoli yokuthambisa, uvelelo lomnquba wonke nento yonke ekuwo engcweleni, nasezimpahleni zayo.

17Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

18Musani ukusinqumla isizwe esingumzalwana wakwaKehati phakathi kwabaLevi.

19Yenzani le nto kubo, ukuba baphile, bangafi ekusondeleni kwabo engcweleni kangcwele: bongena ooAron noonyana bakhe, babamise elowo emsebenzini wakhe nasemthwalweni wakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

20bangangeni bakhangele ingcwele, nangephanyazo eli, hleze bafe.

21Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

22Libale inani loonyana bakaGershon nabo, ngokwezindlu zooyise, ngokwemizalwane yabo,

23bethabathela kominyaka imashumi mathathu ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe; wobabala bonke abeza kuphuma umkhosi, ukuba basebenze ententeni yokuhlangana.

24Nguwo lo umsebenzi wemizalwane yakwaGershon wokusebenza nokuthwala:

25bothwala amalengalenga omnquba, nentente yokuhlangana, isigubungelo sayo, nesigubungelo sezikhumba zamahlengezi esiphezu kwaso ngaphezulu, nesisitheliso somnyango wentente yokuhlangana,

26namawunduwundu entendelezo, nesisitheliso sokungena kwesango lentendelezo, esemnqubeni nasesibingelelweni ngeenxa zonke, nezintya zawo, nempahla yonke yomsebenzi wabo, nento yonke eyenzelwe ukuba basebenze ngayo.

27Wóba ngokomlomo ka-Aron noonyana bakhe wonke umsebenzi woonyana bakaGershon, ekuthwaleni kwabo konke nasekusebenzeni kwabo konke, nibenze bavelele bakugcine konke ukuthwala kwabo.

28Nguwo lowo umsebenzi wemizalwane yoonyana bakaGershon ententeni yokuhlangana. Isigxina sabo soba sesandleni sikaItamare, unyana ka-Aron umbingeleli.

29Oonyana bakaMerari wobabala ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise,

30bethabathela kominyaka imashumi mathathu ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe; nòbabala bonke abeza kuphuma umkhosi, basebenze ententeni yokuhlangana.

31Siso esi isigxina sokuthwala kwabo, ekusebenzeni kwabo konke ententeni yokuhlangana: iiplanga zomnquba, nemivalo yawo, neentsika zawo, neziseko zawo,

32neentsika zentendelezo ngeenxa zonke, neziseko zazo, nezikhonkwane zazo, nezintya zazo, ngokwempahla yazo yonke, nangokomsebenzi wazo wonke; nizibhale ngamagama iimpahla zesigxina sokuthwala kwabo.

33Nguwo lowo umsebenzi wemizalwane yoonyana bakaMerari, ngokomsebenzi wabo wonke ententeni yokuhlangana, esandleni sikaItamare, unyana ka-Aron umbingeleli.

34OoMoses noAron nezikhulu zebandla bababala ke oonyana bakaKehati ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise,

© 1975 Bible Society of South Africa.

35bethabathela kominyaka imashumi mathathu ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe; bonke abeza kuphuma umkhosi, ukuba basebenze ententeni yokuhlangana.

36Ababalwáyo kubo ngokwemizalwane yabo baba ngamawaka amabini anamakhulu asixhenxe, anamanci mahlanu.

37Ngabo abo ababalwáyo kwimizalwane yakwaKehati; bonke abo basebenzayo ententeni yokuhlangana, awababalayo uMoses noAron ngokomlomo kaYehova, ngesandla sikaMoses.

38Ababalwáyo koonyana bakaGershon ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise,

39bethabathela kominyaka imashumi mathathu ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bonke abeza kuphuma umkhosi, ukuba basebenze ententeni yokuhlangana,

40ababalwáyo kubo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zooyise, baba ngamawaka amabini, anamakhulu mathandathu, anamanci mathathu.

41Ngabo abo ababalwáyo kwimizalwane yoonyana bakaGershon, bonke abo basebenzayo ententeni yokuhlangana, awababalayo uMoses noAron ngokomlomo kaYehova.

42Ababalwáyo kwimizalwane yoonyana bakaMerari, ngokwemizalwane yabo,

43ngokwezindlu zooyise, bethabathela kominyaka imashumi mathathu ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bonke abeza kuphuma umkhosi, ukuba basebenze ententeni yokuhlangana,

44ababalwáyo kubo ngokwemizalwane yabo, baba ngamawaka amathathu, anamakhulu mabini.

45Ngabo abo babalwáyo kwimizalwane yoonyana bakaMerari, awababalayo uMoses noAron ngokomlomo kaYehova, ngesandla sikaMoses.

46Bonke ke ababalwáyo, awababalayo uMoses noAron nezikhulu zakwaSirayeli, kubaLevi ngokwemizalwane yabo,

47ngokwezindlu zooyise, bethabathela kominyaka imashumi mathathu ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bonke abo baza kusebenza imisebenzi ngemisebenzi, nomsebenzi wokuthwala ententeni yokuhlangana,

48ababalwáyo kubo, baba ngamawaka asibhozo, anamakhulu mahlanu, anamanci asibhozo.

49Babenza bavelela ngokomlomo kaYehova, ngesandla sikaMoses, elowo emsebenzini wakhe, nasemthwalweni wakhe, nasezintweni awozivelela, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

© 1975 Bible Society of South Africa.

INumeri 5

Imithetho eyalathisa indlela yokuphathwa kwabayinqambi neyembuyekezo

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Bawisele umthetho oonyana bakaSirayeli, babakhuphe eminqubeni bonke abaneqhenqa, nabo bonke ababhobhozayo, nabo bonke abaziinqambi ngofileyo;

3oyindoda noyinkazana, nobakhuphela phandle kweminquba, bangayenzi inqambi iminquba yabo, endihleli phakathi kwayo.

4Benjenjalo ke oonyana bakaSirayeli, babakhuphela phandle kweminquba; njengoko uYehova wathethayo kuMoses, benjenjalo oonyana bakaSirayeli.

5Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

6Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Indoda nokuba yinkazana, xa bathe benza isono kwizono zonke zoluntu, ngokuthi bameneze kuYehova, yazeka ityala ke loo miphefumlo,

7mabasixele isono sabo abasenzileyo, owonileyo alihlambe ityala lakhe ngangenani lalo, ongeze isahlulo salo sesihlanu kulo, anike lowo anetyala kuye.

8Ukuba umntu lowo uthe akaba namzalwana kungahlawulwa kuye ukuhlamba ityala, ityala elo malihlawulelwe uYehova, kumbingeleli, ngaphandle kwenkunzi yemvu yokucamagusha, aya kucanyagushelwa ngayo.

9Wonke umrhumo weento zonke ezingcwele zoonyana bakaSirayeli, abawusondezayo kumbingeleli, woba ngowakhe.

10Elowo izinto zakhe ezingcwele zoba zezakhe; elowo into ayinike umbingeleli, yoba yeyakhe.

Ukugwetywa kwemicimbi yobukhwele

11Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

12Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Indoda ngendoda, xa athe umkayo wanxaxha,

13wayimenezelela, kwalala enye indoda naye, kwafihlakala emehlweni endoda yakhe, kwasithela, wazenza inqambi yena, akaba nangqina, akabanjwa;

14yafikelwa ngumoya wobukhwele, yamkhweletela umkayo, eyinqambi yena; nokuba yafikelwa ngumoya wobukhwele, yamkhweletela umkayo engeyiyo inqambi:

15indoda leyo mayimzise umkayo kumbingeleli, iwuzise umsondezo wakhe ngenxa yakhe, isahlulo seshumi se-efa yomgubo werhasi, ingagaleli oli phezu kwawo, ingabeki ntlaka imhlophe phezu kwawo; kuba ngumnikelo wokudla wobukhwele, ngumnikelo wokudla wenkumbuzo, okhumbuza ubugwenxa obo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Umbingeleli womsondeza, ammise phambi koYehova,

17athabathe umbingeleli amanzi angcwele ngomphanda, athabathe umbingeleli naseluthulini olusemgangathweni womnquba, alugalele emanzini lawo.

18Umbingeleli wommisa ke umfazi phambi koYehova, amcombulule iinwele loo mfazi, awubeke ezandleni zakhe umnikelo wokudla wenkumbuzo, umnikelo wokudla wobukhwele lowo, abe esesandleni sombingeleli amanzi obukrakra esiqalekiso;

19umbingeleli amfungise, athi kumfazi, Ukuba akuthanga kulale ndoda nawe, nokuba akuthanga unxaxhele ebunqambini, únendoda yakho, yiba msulwa kula manzi obukrakra esiqalekiso.

20Ke wena, xa uthe wanxaxha, únendoda yakho, xa uthe wazenza inqambi, walalwa yenye indoda engeyiyo indoda yakho:

21umbingeli womfungisa umfazi lowo isifungo sokuzishwabulela, athi umbingeleli kumfazi, UYehova makakwenze isishwabulo, nesithuko phakathi kwabantu bakowenu, ngokuthi uYehova alintshwenyise ithangá lakho, asidumbise isisu sakho;

22angene la manzi esiqalekiso embilinini wakho, akudumbise isisu, akuntshwenyise ithangá. Wóthi loo mfazi, Amen, amen.

23Makazibhale ezo zishwabulo umbingeleli encwadini, azicime ngaloo manzi obukrakra,

24amseze umfazi amanzi obukrakra esiqalekiso, angene kuye amanzi esiqalekiso abe bubukrakra.

25Wowuthabatha umbingeleli esandleni somfazi umnikelo wokudla wobukhwele, awutshangatshangise umnikelo wokudla phambi koYehova, amsondeze esibingelelweni;

26asube umbingeleli emnikelweni wokudla isikhumbuzo sawo, aqhumisele ngaso esibingelelweni, emveni koko amseze umfazi amanzi lawo.

27Emsezile amanzi lawo, kothi ukuba ubezenzé inqambi, wayimenezela indoda yakhe, angene kuye amanzi esiqalekiso abe bubukrakra, sidumbe isisu sakhe, lintshwenye ithangá lakhe, lo mfazi abe sisishwabulo phakathi kwabantu bakowabo.

28Ke ukuba lo mfazi ubengàthanga azenze nqambi, uhlambulukile yena; woba msulwa, amithe.

29Nguwo lowo umyalelo wobukhwele bokunxaxha komfazi enendoda yakhe,

30wazenza inqambi; nokuba indoda ithe yafikelwa ngumoya wobukhwele, yamkhweletela umkayo, yammisa umfazi phambi koYehova, umbingeleli wawenza kuye wonke lo myalelo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Yoba msulwa ke indoda yakhe kobo bugwenxa, loo mfazi abuthwale obo bugwenxa bakhe.

INumeri 6

Imithetho malunga nabazahlulileyo

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Indoda, nokuba yinkazana, xa ithe yazibalulela esibhambathisweni, esibhambathisweni sozahlulileyo, ezahlulela kuYehova,

3wózahlula ewayinini nakwisiselo esinxilisayo, angaseli viniga yawayini, naviniga yasiselo sinxilisayo, angaseli nancindi yazidiliya, angadli zidiliya zimanzi nadiliya zomileyo;

4yonke imihla yokuzahlula kwakhe aze angadli nto yenziweyo ngomdiliya, ethabathela ezinkozweni ese exolweni.

5Yonke imihla yesibhambathiso sokuzahlula kwakhe, isitshetshe masingahambi entlokweni yakhe; ide izaliseke imihla azahlulele kuYehova, woba ngcwele, aziyeke iinwele zentloko yakhe, zihlume ziyakazele.

6Yonke imihla yokuzahlulela kwakhe kuYehova, aze angasondeli kofileyo;

7angazenzi nqambi ngoyise nangonina, ngomzalwana wakhe nangodade wabo, ekufeni kwabo; ngokuba imbasa yoThixo wakhe iphezu kwentloko yakhe.

8Yonke imihla yokuzahlula kwakhe úngcwele kuYehova.

9Xa kuthe kwafa ubani ngakuye ngephanyazo ngesiquphe, wayenza inqambi intloko yokuzahlula kwakhe, wóyicheba intloko yakhe ngomhla wokuhlanjululwa kwakhe, ayichebe ngomhla wesixhenxe.

10Ngomhla wesibhozo maze azise amahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini evukuthu, kumbingeleli emnyango wentente yokuhlangana.

11Umbingeleli wolenza elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo, amcamagushele, ngokokuba wonile ngofileyo; ayingcwalise intloko yakhe ngaloo mhla.

12Woyahlulela kuYehova imihla yokuzahlula kwakhe, azise imvana emnyaka mnye, ibe lidini letyala. Ke imihla yangaphambili ize ingàbalwa, ngokuba kwaba yinqambi ukuzahlula kwakhe.

13Nguwo lo umnyalelo wozahluleyo: Ngemini yokuzaliseka kwemihla yokuzahlula kwakhe, woziswa emnyango wentente yokuhlangana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Aze asondeze umsondezo wakhe kuYehova, imvana emnyaka mnye egqibeleleyo, ibe nye, ibe lidini elinyukayo; nemvanazana emnyaka mnye egqibeleleyo, ibe nye, ibe lidini lesono; nenkunzi yemvu egqibeleleyo, ibe nye, ibe ngumbingelelo woxolo;

15nengobozi yemiqhathane engenagwele yomgubo ocoliweyo, ugalelwé ioli; nezonkana ezisicaba ezingenagwele, zithanjiswé ioli; neminikelo yawo yokudla, neminikelo yawo ethululwayo.

16Wosondeza ke umbingeleli phambi koYehova, enze idini lakhe lesono nedini lakhe elinyukayo;

17inkunzi yemvu ayenze umbingelelo woxolo kuYehova, kunye nengobozi yezonka ezingenagwele; awenze umbingeleli umnikelo wakhe wokudla, nomnikelo wakhe othululwayo.

18Womcheba ozahluleyo intloko yokuzahlula kwakhe emnyango wentente yokuhlangana, athabathe iinwele zentloko yokuzahlula kwakhe, azifake emlilweni ongaphantsi kombingelelo woxolo.

19Wowuthabatha umbingeleli umkhono ophekiweyo wenkunzi yemvu, nomqhathane ongenagwele ube mnye engobozini, nesonkana esisicaba esingenagwele sibe sinye, azibeke ezandleni zozahluleyo, emva kokuyicheba intlokoyokuzahlula kwakhe;

20azitshangatshangise umbingeleli, zibe ngumtshangatshangiso phambi koYehova. Zingcwele ezo kumbingeleli, kunye nencum yedini lokutshangatshangisa, kunye nomlenze womrhumo. Emveni koko ozahluleyo angàyisela iwayini.

21Nguwo lowo umyalelo wozahluleyo, obhambathisa umsondezo wakhe kuYehova ngenxa yokuzahlula kwakhe, ngaphandle koko sinokufikelela kuko isandla sakhe; ngokwesibhambathiso sakhe abesibhambathisile, makenjenjalo ngokomyalelo wokuzahlula kwakhe.

Intsikelelo yababingeleli

22Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

23Thetha kuAron nakoonyana bakhe, uthi, Ize nenjenje ukubasikelela oonyana bakaSirayeli, nithi kubo,

24Makakusikelele uYehova, akugcine;

25Makabukhanyise uYehova ubuso bakhe kuwe, akubabale;

26Makabuphakamisele uYehova ubuso bakhe kuwe, akunike uxolo.

27Mabalibeke ke igama lam phezu koonyana bakaSirayeli; mna ndiya kubasikelela.

INumeri 7

Imisondezo yeenkulu ekusungulweni kwesibingelelo

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kwathi, mini uMoses wagqiba ukuwumisa umnquba, nokuwuthambisa nokuwungcwalisa wona, nempahla yawo yonke, nokusithambisa nokusingcwalisa isibingelelo neempahla zaso zonke,

2izikhulu zakwaSirayeli eziziintloko zeendlu zooyise, ezizizikhulu zezizwe ezibe zisongamela ababalwáyo, zasondeza iminikelo.

3Zawuzisa umnikelo wazo phambi koYehova, iinqelo ezinophahla zantandathu, neenkomo zalishumi elinambini: yayinqwelo kwizikhulu ezibini, yayinkomo kwisikhulu esinye; zazisondeza phambi komnquba.

4Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

5Zithabathe kuzo zibe zezokusebenza umsebenzi wentente yokuhlangana, uzinike abaLevi, elowo ngokomsebenzi wakhe.

6Wazithabatha ke uMoses iinqwelo neenkomo, wazinika abaLevi.

7Ezimbini iinqwelo neenkomo eziné wazinika oonyana bakaGershon ngokomsebenzi wabo;

8eziné iinqwelo neenkomo ezisibhozo wazinika oonyana bakaMerari ngokomsebenzi wabo, esandleni sikaItamare, unyana ka-Aron umbingeleli.

9Ke oonyana bakaKehati akabanikanga nto, ngokuba umsebenzi wengcwele obuphezu kwabo bebewuthwala ngegxalaba bona.

10Zasondeza izikhulu iminikelo yokusungulwa kwesibingelelo mini sathanjiswa, zawusondeza izikhulu umnikelo wazo phambi kwesibingelelo.

11Wathi uYehova kuMoses, Soba sinye isikhulu ngemini, soba sinye isikhulu ngemini, ukusondeza umsondezo waso, ukusisungula isibingelelo.

12Owawusondezayo umsondezo wakhe ngemini yokuqala waba nguNashon unyana ka-Aminadabhi, wesizwe sakwaYuda.

13Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

14Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekele ezilishumi, luzele sisiqhumiso;

15yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

16yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

17ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaNashon, unyana ka-Aminadabhi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ngemini yesibini kwasondeza uNataniyeli unyana kaTsuhare, inkulu yakwaIsakare.

19Wasondeza umsondezo wakhe, waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwé ioli;

20Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekele ezilishumi, luzele sisiqhumiso;

21yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo.

22Yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

23ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaNataniyeli, unyana kaTsuhare.

24Ngemini yesithathu kwasondeza inkulu yoonyana bakaZebhulon, uEliyabhi, unyana kaHelon.

25Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele, ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

26Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekele ezilishumi, luzele sisiqhumiso;

27yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

28yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

29ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaEliyabhi, unyana kaHelon.

30Ngemini yesiné kwasondeza inkulu yoonyana bakaRubhen, uElitsure unyana kaShedeyure.

31Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

32Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekele ezilishumi, luzele sisiqhumiso;

33yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

34yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

© 1975 Bible Society of South Africa.

35ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaElitsure, unyana kaShedeyure.

36Ngemini yesihlanu kwasondeza inkulu yoonyana bakaSimon, uShelumiyeli, unyana kaTsurishadayi.

37Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

38Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekeleezilishumi, luzele sisiqhumiso;

39yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

40yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

41ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaShelumiyeli, unyana kaTsurishadayi.

42Ngemini yesithandathu kwasondeza inkulu yoonyana bakaGadi, uEliyasafu, unyana kaDehuweli.

43Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

44Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekeleezilishumi, luzele sisiqhumiso;

45yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

46yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

47ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaEliyasafu, unyana kaDehuweli.

48Ngemini yesixhenxe kwasondeza inkulu yoonyana bakaEfrayim, uElishama unyana ka-Amihudi.

49Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere, esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

© 1975 Bible Society of South Africa.

50lwalunye ukhamba lwegolide oluziishekeleezilishumi, luzele sisiqhumiso;

51yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye zizezedini elinyukayo ke ezo;

52yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

53ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaElishama, unyana ka-Amihudi.

54Ngemini yesibhozo kwasondeza inkulu yoonyana bakaManase, uGamaliyeli, unyana kaPedatsure.

55Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere, esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

56lwalunye ukhamba lwegolide oluziishekeleezilishumi, luzele sisiqhumiso;

57yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

58yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

59ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaGamaliyeli, unyana kaPedatsure.

60Ngemini yesithoba kwasondeza inkulu yoonyana bakaBhenjamin, uAbhidan unyana kaGidiyoni.

61Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere, esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

62lwalunye ukhamba lwegolide oluziishekeleezilishumi, luzele sisiqhumiso;

63yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

64yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

65ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Abhidan, unyana kaGidiyoni.

66Ngemini yeshumi kwasondeza inkulu yoonyana bakaDan, uAhiyezere, unyana ka-Amishadayi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

67Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere, esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

68Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekele ezilishumi, luzele sisiqhumiso;

69yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

70yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

71ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Ahiyezere, unyana ka-Amishadayi.

72Ngemini yeshumi elinanye kwasondeza inkulu yoonyana baka-Ashere, uPagiyeli unyana kaOkran.

73Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

74Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekeleezilishumi, luzele sisiqhumiso;

75yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

76yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

77ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo kaPagiyeli, unyana kaOkran.

78Ngemini yeshumi elinambini kwasondeza inkulu yoonyana bakaNafetali, UAhira, unyana kaEnana.

79Umsondezo wakhe waba sisitya esinye sesilivere, bulikhulu elinamanci mathathu eeshekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza sesilivere, esiziishekele ezimashumi asixhenxe ngokweshekele yengcwele, zozibini zizele ngumgubo ocoliweyo womnikelo wokudla, ugalelwe ioli;

80Iwalunye ukhamba lwegolide oluziishekeleezilishumi luzele sisiqhumiso;

81yanye inkunzi entsha, ithole lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo ke ezo;

82yanye inkunzi yebhokhwe exhonti yedini lesono;

© 1975 Bible Society of South Africa.

83ezombingelelo woxolo zambini iinkomo, zantlanu iinkunzi zezimvu, zantlanu iibhokhwe, zantlanu iimvana ezimnyaka mnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Ahira, unyana kaEnan.

84Kuko oko ukusungulwa kwesibingelelo, mini sathanjiswa zizikhulu zakwaSirayeli. Zaba lishumi elinazibini izitya zesilivere, zalishumi elinazibini izitya zokutshiza zesilivere, zalishumi elinambini iinkamba zegolide.

85Salikhulu elinamanci mathathu eeshekele isitya sesilivere sisinye, sangamashumi osixhenxe eeshekele isitya sokutshiza sisinye; iyonke isilivere yezo mpahla yaba ngamawaka amabini, anamakhulu mané, ngokweshekele yengcwele.

86Zaba lishumi elinambini iinkamba zegolide, zizele sisiqhumiso, zalishumi iishekele kukhamba lulunye ngokweshekele yengcwele; iyonke igolide yeenkamba yaba likhulu elinamanci mabini.

87Zizonke iinkomo zedini elinyukayo zaba ziinkunzi ezintsha ezilishumi elinambini, neenkunzi zezimvu zaba lishumi elinambini, neemvana ezimnyaka mnye zaba lishumi elinambini, neminikelo yazo yokudla; neenkunzi zeebhokhwe ezixhonti zedini lesono zaba lishumi elinambini.

88Zonke iinkomo zombingelelo woxolo zaye zingamashumi omabini anané, iinkunzi ezintsha, neenkunzi zezimvu zaba ngamashumi omathandathu, neebhokhwe zaba ngamashumi omathandathu, neemvana ezimnyaka mnye zaba ngamashumi omathandathu. Kuko oko ukusungulwa kwesibingelelo, emveni kokuthanjiswa kwaso.

89Ke ekungeneni kukaMoses ententeni yokuhlangana, ukuba athethe naye, weva izwi lithetha kuye, livela esihlalweni sokucamagusha esiphezu kwetyeya yesingqino, phakathi kweekerubhi zombini; wathetha ke yena kuye.

INumeri 8

Imithetho yokulumeka izibane

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha kuAron, uthi kuye, Ekuzimiseni kwakho izibane, mazikhanyise zibhekise phambili, phambi kwesiphatho sezibane, izibane zosixhenxe.

3Wenjenjalo uAron; wazimisa izibane zaso zabhekisa phambili, phambi kwesiphatho sezibane, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

4Kuko oku ukusetyenzwa kwesiphatho; saba yigolide ekhandiweyo, kwasa esikhondweni saso, kwasa ezintyantyambeni zaso, ingumkhando wona; ngokomfuziselo uYehova awambonisa wona uMoses wasenjenjalo isiphatho.

Ukuhlanjululwa kwabaLevi

5Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Thabatha abaLevi phakathi koonyana bakaSirayeli, ubahlambulule.

7Wenjenje ke ukubahlambulula; bafefe ngamanzi esono, bahambise isitshetshe sokunquthula enyameni yabo yonke, bahlambe iingubo zabo, bahlambuluke.

8Baze bathabathe inkunzi entsha, ithole lenkomo, nomnikelo wayo wokudla, umgubo ocoliweyo ugalelwe ioli; uthabathe eyesibini inkunzi entsha, ithole lenkomo yedini lesono.

9Wòbasondeza abaLevi phambi kwentente yokuhlangana, ubizele ndawonye lonke ibandla loonyana bakaSirayeli;

10ubasondeze abaLevi phambi koYehova, bacinezele oonyana bakaSirayeli ngezandla zabo phezu kwabaLevi;

11abatshangatshangise uAron abaLevi, babe ngumtshangatshangiso phambi koYehova, ovela koonyana bakaSirayeli; babe ngabokusebenza umsebenzi kaYehova.

12AbaLevi bocinezela ngezandla zabo phezu kweentloko zeenkunzi ezintsha ezo; enye uyenze idini lesono, enye idini elinyukayo kuYehova, ukucamagushela abaLevi.

13Uze ubamise ke abaLevi phambi koAron naphambi koonyana bakhe, ubatshangatshangise, babe ngumtshangatshangiso kuYehova;

14ubahlule abaLevi koonyana bakaSirayeli, babe ngabam abaLevi.

15Emveni koko bongena abaLevi, basebenze ententeni yokuhlangana; ubahlambulule ke, ubatshangatshangise, babe ngumtshangatshangiso.

16Ngokuba ndibanikiwe ndabanikwa phakathi koonyana bakaSirayeli, ndabathabathela kum esikhundleni sabo bonke abavula isizalo, amazibulo onke koonyana bakaSirayeli.

17Ngokuba ngawam onke amazibulo phakathi koonyana bakaSirayeli, ebantwini nasezinkomeni; mini ndawabetha onke amazibulo ezweni laseYiputa, ndawangcwalisela kum.

18Ndathabatha abaLevi esikhundleni samazibulo onke, phakathi koonyana bakaSirayeli.

19AbaLevi ke ndibaniké ndabanika uAron noonyana bakhe phakathi koonyana bakaSirayeli, ukuba basebenze umsebenzi woonyana bakaSirayeli ententeni yokuhlangana, babacamagushele oonyana bakaSirayeli, ukuze kungabikho sibetho phakathi koonyana bakaSirayeli ekusondeleni koonyana bakaSirayeli engcweleni.

20Benza ke ooMoses noAron nebandla lonke loonyana bakaSirayeli kubaLevi; ngako konke uYehova awamwisela umthetho uMoses ngabo abaLevi, benjenjalo kubo oonyana bakaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Bazihlambulula isono abaLevi, bahlamba iingubo zabo; uAron wabatshangatshangisa, baba ngumtshangatshangiso phambi koYehova; uAron wabacamagushela ukuba bahlambuluke.

22Emveni koko bangena abaLevi, ukuba basebenze umsebenzi wabo ententeni yokuhlangana, phambi koAron naphambi koonyana bakhe. Njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses ngabaLevi, benjenjalo kubo.

23Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

24Nantsi indawo eyeyabaLevi: bethabathela kominyaka imashumi mabini anesihlanu ezelwe, banyuse, mabeze kuphuma umkhosi wokusebenza ententeni yokuhlangana.

25Bethabathela kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bobuya ekuphumeni umkhosi wokusebenza, bangabi sasebenza.

26Ke mabasebelungiselela abazalwana babo ententeni yokuhlangana, ngokuthi bagcine isigxina, bangasebenzi msebenzi. Ùya kwenjenjalo kubaLevi ezigxineni zabo.

INumeri 9

Imithetho malunga nombandela wepasika

1Wathetha uYehova kuMoses entlango yaseSinayi, ngomnyaka wesibini wokuphuma kwabo ezweni laseYiputa,

2ngenyanga yokuqala, esithi, Oonyana bakaSirayeli mabayenze ipasika ngexesha layo elimisiweyo.

3Noyenza ngomhla weshumi elinesiné kuloo nyanga, lakutshona ilanga, ngexesha layo elimisiweyo. Noyenza ngokwemimiselo yayo yonke, nangokwamasiko ayo onke.

4Wathetha ke uMoses koonyana bakaSirayeli, ukuba bayenze ipasika.

5Bayenza ke ipasika ngenyanga yokuqala, ngomhla weshumi elinesiné, lakutshona ilanga, entlango yaseSinayi. Njengako konke uYehova abemwisele umthetho uMoses, benjenjalo oonyana bakaSirayeli.

6Ke kwakukho amadoda awayethe azenza iinqambi ngomntu ofileyo, akaba nako ukuyenza ipasika ngaloo mhla. Asondela phambi koMoses naphambi koAron ngaloo mhla;

7athi loo madoda kuye, Siziinqambi ngomntu ofileyo; sivalelwa ngani na, ukuba singasondezi umsondezo kaYehova ngexesha lawo elimisiweyo phakathi koonyana bakaSirayeli?

8Wathi uMoses kuwo, Yimani, khe ndive ukuba uYehova wowisa mtetho mni na ngani.

9Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Umntu ngomntu, xa athe wayinqambi ngofileyo, mhlawumbi waseluhambeni ehambele kude, engowakuni, nokuba ngowezizukulwana zenu, woyenza ipasika kuYehova.

11Boyenza ngenyanga yesibini, ngomhla weshumi elinesiné, lakutshona ilanga, kunye nezonka ezingenagwele bayidle inemithana ekrakra;

12bangasalisi nto kuyo kude kuse, bangaphuli thambo layo. Boyenza ngokommiselo wonke wepasika.

13Ke umntu lowo uhlambulukileyo yena, ungekhona eluhambeni, ethe wayeka ukuyenza ipasika, loo mphefumlo wonqanyulwa, ungabikho ebantwini bakowawo; ngokuba akawusondezanga umsondezo kaYehova ngexesha lawo elimisiweyo. Loo mntu wosithwala isono sakhe.

14Umphambukeli, xa athe waphambukela kuni, woyenza ipasika kuYehova; ngokommiselo wepasika nangokwesiko layo woyenjenjalo; ummiselo woba mnye kuni, nakumphambukeli, nakozalelwe kulo ilizwe.

Ilifu lilawula ukufuduswa kweminquba

15Ngomhla wokumiswa komnquba, ilifu lawusibekela umnquba wentente yesingqino; ngokuhlwa lanjengembonakalo yomlilo phezu komnquba, kwada kwasa.

16Kwahlala kunjalo; ilifu lawusibekela emini, laba yimbonakalo yomlilo ebusuku.

17Kube kusithi, lingànyuka ilifu lisuke phezu kwentente, emveni koko banduluke oonyana bakaSirayeli; kuthi endaweni elithe zinzi kuyo ilifu, bamise iintente khona oonyana bakaSirayeli.

18Ngokomlomo kaYehova banduluka oonyana bakaSirayeli, ngokomlomo kaYehova bamisa; yonke imihla elathi zinzi ngayo ilifu phezu komnquba, bamisa.

19-20Lakolula ilifu imihla emininzi lihleli phezu komnquba, basigcina isigxina sikaYehova oonyana bakaSirayeli, àbanduluka. Kwathi, lakubakho ilifu phezu komnquba nokuba yimihla embalwa, basigcina isigxina sikaYehova, àbanduluka. Ngokomlomo kaYehova bamisa, ngokomlomo kaYehova banduluka.

21Kube kusithi lakubakho ilifu ngokuhlwa kude kuse, lakunyuswa ke ilifu kwakusa, banduluke; nokuba bekusemini, nokuba bekusebusuku, lakunyuswa ilifu, bánduluka.

22Nokuba yimihla emibini, nokuba yinyanga, nokuba yimihla ethile ukolula kwelifu phezu komnquba, ukuthi zinzi kwalo phezu kwawo, bamisa oonyana bakaSirayeli, àbanduluka; ekunyukeni kwalo ke banduluka.

23Ngokomlomo kaYehova bamisa, ngokomlomo kaYehova banduluka. Basigcina isigxina sikaYehova ngokomlomo kaYehova, ngesandla sikaMoses.

INumeri 10

Ukusetyenziswa kwamaxilongo esilivere

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Zenzele amaxilongo esilivere ekhandiweyo, abe mabini, abe ngawokubiza ibandla, nokundulula iminquba.

3Kwakuvuthelwa ixilongo kuqutshwa, lozihlanganisela kuwe lonke ibandla emnyango wentente yokuhlangana.

4Ukuba kuthe kwavuthelwa ixilongo, kwaqutshwa ngakanye, zozihlanganisela kuwe izikhulu, iintloko zamawaka akwaSirayeli.

5Nákuvuthela nolule, yonduluka iminquba emise iintente ngasempumalanga.

6Nákuvuthela nolule okwesibini, yonduluka iminquba emise ngasezantsi; bovuthela bolule ukuba induluke.

7Ekusibizeleni ndawonye isikhungu, novuthela niquphe, ningavutheli nolule.

8Bovuthela ngamaxilongo oonyana baka-Aron ababingeleli, ibe ngummiselo ongunaphakade kuni kwizizukulwana zenu.

9Xa nithe naya kulwa ezweni lenu nombandezeli onibandezelayo, navuthela ngamaxilongo nolula, nòkhunjulwa phambi koYehova uThixo wenu, nisindiswe ezintshabeni zenu.

10Ngomhla wovuyo lwenu, nangamaxesha enu amisiweyo, nasekuthwaseni kweenyanga zenu, novuthela niquphe ngamaxilongo phezu kwamadini enu anyukayo, naphezu kwemibingelelo yenu yoxolo, ibe sisikhumbuzo senu phambi koThixo wenu: ndinguYehova uThixo wenu.

Ukunduluka eSinayi

11Kwathi ngomnyaka wesibini, ngenyanga yesibini, ngolwamashumi omabini enyangeni leyo, lenyuswa lemka ilifu phezu komnquba wesingqino.

12Banduluka ke oonyana bakaSirayeli ngokweehambo zabo entlango yaseSinayi; lathi zinzi ilifu entlango yaseParan.

13Banduluka ekuqaleni ngokomlomo kaYehova, ngesandla sikaMoses.

14Kuqala ke kwanduluka ibhanile yeminquba yoonyana bakaYuda, ngokwemikhosi yabo; inguNashon, unyana ka-Aminadabhi, phezu komkhosi wakhe;

15phezu komkhosi wesizwe soonyana bakaIsakare inguNataniyeli, unyana kaTsuhare;

16phezu komkhosi wesizwe soonyana bakaZebhulon inguEliyabhi, unyana kaElon.

17Wawiswa umnquba; banduluka ke oonyana bakaGershon noonyana bakaMerari, bewuthwele umnquba.

18Yanduluka ibhanile yeminquba yoonyana bakaRubhen ngokwemikhosi yabo; phezu komkhosi wakhe inguElitsure, unyana kaShedeyure;

© 1975 Bible Society of South Africa.

19phezu komkhosi wesizwe soonyana bakaSimon inguShelumiyeli, unyana kaTsurishadayi;

20phezu komkhosi wesizwe soonyana bakaGadi inguEliyasafu, unyana kaDehuweli.

21Anduluka amaKehati, ethwele ingcwele. Babesithi ke âbaya bawumise umnquba engekafiki wona.

22Yanduluka ibhanile yeminquba yoonyana bakaEfrayim, ngokwemikhosi yabo;

23phezu komkhosi wakhe inguElishama, unyana ka-Amihude; phezu komkhosi wesizwe soonyana bakaManase inguGamaliyeli, unyana kaPedatsure;

24phezu komkhosi wesizwe soonyana bakaBhenjamin inguAbhidan, unyana kaGidiyoni.

25Yanduluka ibhanile yeminquba yonyana bakaDan, umqoshelisi weminquba yonke ngokwemikhosi yayo;

26phezu komkhosi wakhe inguAhiyezere, unyana ka-Amishadayi; phezu komkhosi wesizwe soonyana baka-Ashere inguPagiyeli, unyana kaOkran;

27phezu komkhosi wesizwe soonyana bakaNafetali inguAhira, unyana kaEnana.

28Kuko oko ukunduluka koonyana bakaSirayeli; banduluka ke ngokwemikhosi yabo.

Isicelo sikaMoses kusomfazi

29Wathi uMoses kuHobhabhi, unyana kaRehuweli, umMidiyan, uyise womkaMoses, Thina siyanduluka; siya endaweni athe uYehova, Ndiya kuninika yona. Hamba nathi, sokwenzela okulungileyo; ngokuba uYehova uthethe okulungileyo ngoSirayeli.

30Wathi yena kuye, Andiyi kuhamba; ndiya kuya ezweni lakowethu, kwelokuzalwa kwam.

31Wathi, Musa ukusishiya kaloku, ngenxa enokuba nguwe owaziyo apho singalalisa khona entlango; yiba ngamehlo ethu.

32Kothi, xa uthe wahamba nathi, kothi oko kulunga uYehova asenzela kona, sikwenzele kona nawe.

33Banduluka ke entabeni kaYehova uhambo lwemihla emithathu, ityeya yomnqophiso kaYehova ihamba phambi kwabo uhambo lwemihla emithathu, ukubahlolela indawo abangalalisa kuyo.

34Ilifu likaYehova laba phezu kwabo emini, ekundulukeni kwabo eminqubeni.

35Kube kusakuthi ekundulukeni kwetyeya, athi uMoses, Vuka, Yehova; zichithachithe iintshaba zakho, basabe phambi kwakho abakuthiyayo:

36kuthi ekulaliseni kwawo athi, Buyela, Yehova, kumawaka amawaka akwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

INumeri 11

Izikrokro zabantu eTabhera

1Abantu babenjengabakhalazela ububi ezindlebeni zikaYehova. Weva uYehova, wavutha umsindo wakhe, watsha umlilo kaYehova phakathi kwabo, wadla esiphelweni seminquba.

2Bakhala abantu kuMoses; wathandaza uMoses kuYehova, wadamba umlilo.

3Wathi igama laloo ndawo yiTabhera: ngokuba watsha umlilo kaYehova phakathi kwabo.

4Indibandiba ephakathi kwabo yakhanuka ikhanukile; babuya balila oonyana bakaSirayeli, bathi, Ngubani na oya kusinika inyama sidle.

5Sikhumbula iintlanzi esibe sizidla eYiputa ngelizé, kwaneekomkomere, neevatala, neelike, namatswele, nekinofile.

6Kungoku umphefumlo wethu womile; akukho nento, yile mana yodwa emehlweni ethu.

7Imana leyo ibinjengeenkozo zekoriyandire; ukubonakala kwayo bekunjengokubonakala kwebhedolaki.

8Babesithi saa abantu, bayibuthe, bayisile ematyeni, okunye bayingqushe ngezingqusho, bayipheke ngeembiza, benze amaqebengwana ngayo; isongo sayo saye sinjengesongo sesonkana esigalelwe ioli.

9Ukuhla kombethe eminqubeni ebusuku, ibisithi ihle nayo imana kuyo.

10Wabeva uMoses abantu belila ngokwemizalwane yabo, elowo emnyango wentente yakhe. Wavutha umsindo kaYehova kunene; kwakubi nasemehlweni kaMoses.

Ukugosiswa kweenkulu ezingamashumi asixhenxe zokuncedisa uMoses

11Wathi uMoses kuYehova, Yini na ukuba umphathe kakubi umkhonzi wakho lo? Yini na ukuba ndingàbabalwa nguwe, usuke uwubeke umthwalo waba bantu bonke phezu kwam?

12Ndim na obakhawuleyo aba bantu bonke? Ndim na obazeleyo, ukuba uthi kum, Bathwale ngesifuba sakho, njengomondli ethwele umntwana owanyayo, ndibàse emhlabeni owawufungela ooyise?

13Ndoyizuza phi na inyama, ndibanike bonke aba bantu? Ngokuba balila kum, besithi, Sinike inyama sidle.

14Andinako mna ukubathwala aba bantu ndedwa, ngokuba kunzima oko kum.

15Ukuba ùndenjenjalo, sewundibulala kanye, ukuba undibabále; mandingabuboni ububi bam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Wathi uYehova kuMoses, Hlanganisela kum amadoda abe ngamashumi osixhenxe kumadoda amakhulu akwaSirayeli, owaziyo ukuba ngamadoda amakhulu abantu, ababhali babo; uwazise ententeni yokuhlangana, eme khona nawe.

17Ndiya kuhla, ndithethe nawe khona, ndicaphule kumoya okuwe, ndibeke kuwo, awuthwale nawe umthwalo wabantu aba, ungawuthwali wedwa wena.

18Yithi ebantwini, Zingcwaliseleni ingomso, nodla inyama; kuba nililile ezindlebeni zikaYehova, nisithi, Ngubani na oya kusinika inyama sidle; ngokuba kwakumnandi kuthi eYiputa. UYehova uya kuninika ke inyama nidle.

19Aniyi kuyidla mhla mnye, namihla mibini, namihla mihlanu, namihla ilishumi, namihla imashumi mabini;

20nodla inyanga iphela, ide iphume ngeempumlo zenu, ibe lubhokra kuni; ngenxa enokuba nimcekisile uYehova ophakathi kwenu, nalila phambi kwakhe, nisithi, Saphumelani na eYiputa?

21Wathi uMoses, Ngumqikela ongamakhulu omathandathu amawaka abantu endiphakathi kwabo; ke ùthi wena. Ndiya kubanika inyama, badle inyanga iphela.

22Impahla emfutshane neenkomo ziya kuxhelelwa bona na, zibalingane? Ziya kuhlanganiselwa bona na zonke iintlanzi zolwandle, zibalingane?

23Wathi uYehova kuMoses, Isandla sikaYehova sifutshane na? Ngoku uya kubona ukuba ilizwi lam liya kwenzeka, aliyi kwenzeka, kusini na.

24Waphuma uMoses, wawathetha ebantwini amazwi kaYehova, wawahlanganisa amadoda amashumi osixhenxe kumadoda amakhulu abantu, wawamisa aba sisangqa ententeni.

25Wehla uYehova ngelifu, wathetha kuye, wacaphula kumoya okuye, wawubeka kumadoda amakhulu angamashumi osixhenxe; kwathi, xa wahlalayo umoya phezu kwawo, aprofeta, akaphinda kodwa.

26Ke kaloku kwasala amadoda amabini eminqubeni, igama lenye linguElidade, igama leyesibini linguMedade; wahlala umoya phezu kwawo; aba kwababhalwáyo wona, kodwa akaphumanga aye ententeni; aprofeta eminqubeni.

27Kwagidima umfana, waxelela uMoses, wathi, OoElidade noMedade bayaprofeta eminqubeni phaya.

28Waphendula uYoshuwa unyana kaNun, umlungiseleli kaMoses, wakwabanyuliweyo bakhe, wathi, Nkosi yam, Moses, bathintele.

29Wathi uMoses kuye, Unekhwele ngenxa yam na? Akwaba bonke abantu bakaYehova babengabaprofeti, waba uYehova ubeke uMoya wakhe kubo!

30Wabuya uMoses, waya eminqubeni, yena namadoda amakhulu akwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Abantu batya izagwityi eKibroti-hatahava

31Kwesuka umoya kuYehova, waguqula izagwityi elwandle, wazithi saa eminqubeni, zaba ngangohambo lwemini ngapha, zaba ngangohambo lwemini ngapha, zajikeleza iminquba; zangangeekubhite zombini, ukuphakama phezu komhlaba.

32Besuka ke abantu yonke loo mini, bonke ubusuku, yonke imini yengomso, bazibutha izagwityi. Owabutha kancinane wabutha iihomere ezilishumi; bamana ukuzaneka, bajikelezisa eminqubeni.

33Yathi inyama leyo isesemazinyweni abo, ingekahlafunwa, wavutha umsindo kaYehova kubo abantu, wababetha uYehova abantu ngesibetho esikhulu kunene.

34Kwathiwa igama laloo ndawo yiKibroti-hatahava; ngokuba bangcwatyelwa khona abantu abakhanukáyo.

35Banduluka abantu eKibroti-hatahava, baya eHatseroti, baba seHatseroti.

INumeri 12

UMiriyam noAron bamonela uMoses

1Bathetha ooMiriyam noAron ngoMoses ngenxa yendawo yenkazana engumKushikazi abeyizekile; ngokuba wayezeke inkazana engumKushikazi.

2Bathi, UYehova uthethe ngoMoses yedwa yini na? Akathethanga nangathi na?

3Weva uYehova. Ke indoda le inguMoses ibilulamile kunene kunabantu bonke abasemhlabeni.

4Wathetha uYehova ngesiquphe kuMoses, nakuAron, nakuMiriyam, esithi, Phumani nina nobathathu, nize ententeni yokuhlangana; baphuma bobathathu.

5Wehla uYehova ngomqulu welifu, wema emnyango wentente, wabiza ooAron noMiriyam; baphuma bobabini.

6Wathi, Khanive amazwi am. Ukuba nithe nanomprofeti kaYehova, ndozazisa kuye ngombono, ndithethe kuye ephupheni.

7Akanjalo umkhonzi wam uMoses; unyanisekile yena endlwini yam yonke.

8Ndiya kuthetha naye umlomo kumlomo, ngokubonakalayo, kungabi ngantsonkotha; ásikhangele yena isimilo sikaYehova. Yini na ukuba ningoyiki ukuthetha ngomkhonzi wam uMoses?

9Wavutha umsindo kaYehova kubo, wemka yena.

10Lemka ilifu ententeni; yini le? uMiriyam uneqhenqa njengekhephu. Wabheka uAron kuMiriyam; yini? uneqhenqa.

11Wathi uAron kuMoses, Tarhu, nkosi yam; musa ukusibeka tyala ngesono esisenzileyo ngokumatha, sóna ngaso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Makangàseleba njengofileyo, othi ekuphumeni kwakhe esizalweni sonina abe seledlekile isiqingatha senyama yakhe.

13Wakhala uMoses kuYehova, esithi, Thixo, ndiyakukhunga, khawumphilise.

14Wathi uYehova kuMoses, Ukuba uyise ubetshice ukutshica oku ebusweni bakhe, ubengayi kuva ihlazo na iintsuku ezisixhenxe? Makavalelwe imihla ibe sixhenxe ngaphandle kweminquba, emveni koko amkelwe.

15Wavalelwa ke uMiriyam ngaphandle kweminquba imihla esixhenxe. Abanduluka abantu, wada wamkelwa uMiriyam.

16Emveni koko banduluka abantu eHatseroti, bamisa entlango yaseParan.

INumeri 13

Ukuthunyelwa kweentlola kwelakwaKanan; ingxelo yazo

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thumela amadoda, aye kuhlola ilizwe lakwaKanan, endibanike lona oonyana bakaSirayeli. Wòthumela indoda ibe nye kwisizwe sooyise, iyileyo ibe yeyinkulu kuso.

3Wawathuma ke uMoses, esentlango yaseParan, ngokomlomo kaYehova, onke loo madoda, eziintloko zoonyana bakaSirayeli.

4Ngawo la amagama awo: kwisizwe sakwaRubhen, ibinguShamuwa, unyana kaZakure;

5kwisizwe sakwaSimon, ibinguShafati, unyana kaHori;

6kwisizwe sakwaYuda, ibinguKalebhi, unyana kaYefune;

7kwisizwe sakwaIsakare, ibinguIgali, unyana kaYosefu;

8kwisizwe sakwaEfrayim, ibinguHosheya, unyana kaNun;

9kwisizwe sakwaBhenjamin, ibinguPalti, unyana kaRafu;

10kwisizwe sakwaZebhulon, ibinguGadiyeli, unyana kaSodi;

11kwisizwe sakwaYosefu, esisisizwe sakwaManase, ibinguGadi, unyana kaSusi;

12kwisizwe sakwaDan, ibinguAmiyeli, unyana kaGemali;

13kwisizwe sakwa-Ashere, ibinguSeture, unyana kaMikayeli;

14kwisizwe sakwaNafetali, ibinguNabhi, unyana kaVofesi;

15kwisizwe sakwaGadi, ibinguGehuweli, unyana kaMaki.

16Ngawo lawo amagama amadoda awawathumayo uMoses, ukuba aye kuhlola ilizwe. UMoses wathi uHosheya, unyana kaNun, nguYoshuwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Wawathuma ke uMoses, ukuba aye kuhlola ilizwe lakwaKanan, wathi kuwo, Nyukani nina ngasezantsi, ngale ndlela;

18nyukani niye entabeni, nilikhangele ilizwe ukuba linjani na, nabantu abemi kulo, ukuba bomelele, bangamaphakuphaku, kusini na; bambalwa, baninzi, kusini na;

19ukuba linjani na ilizwe abemi kulo, lihle, libi, kusini na; ukuba injani na imizi abemi kuyo, baseminqubeni, basezinqabeni, kusini na;

20ukuba linjani na ilizwe elo, liyachuma, alichumi, kusini na; linemithi, alinayo, kusini na. Yomelelani, nize neziqhamo zelo zwe. Loo mihla yabe iyimihla yentlahlela yeediliya.

21Enyuka ke, alihlola ilizwe, ethabathela entlango yaseTsin, esa eRehobhi, ekuyeni eHamati.

22Enyuka ngezantsi, afike eHebron; babekhona ooAhiman, noSheshayi, noTalemayi, abenzalo ka-Anaki. Ke owaseHebron wawusewakhiwe iminyaka esixhenxe, ingekakhiwa iTsohan eYiputa.

23Afika esihlanjeni sakwaEshekoli, anqumla khona isebe linesihloko seediliya sisinye, asithwala ngesibonda emabini; nakwiirharnate, nakumakhiwane enjenjalo.

24Loo ndawo kwathiwa sisihlambo sakwaEshekoli, ngenxa yesihloko eso basinqumla khona oonyana bakaSirayeli.

25Abuya ekulihloleni ilizwe ekupheleni kweentsuku ezimashumi mané.

26Eza afika kuMoses, nakuAron, nakwibandla lonke loonyana bakaSirayeli, entlango yaseParan eKadeshe; azisa ilizwi kubo, nakwibandla lonke, ababonisa neziqhamo zelizwe elo.

27Abaxelela athi, Safika kwelo zwe wasithuma kulo; inene, libaleka amasi nobusi; nazi neziqhamo zalo.

28Kodwa banamandla abantu, abemi kwelo zwe; imizi inqatyisiwe, imikhulu kunene; kananjalo siboné abenzalo ka-Anaki khona.

29Kumi ama-Amaleki ezweni lasezantsi; amaHeti namaYebhusi nama-Amori emi ezintabeni; amaKanan emi ngaselwandle nangecala laseYordan.

30Wabazolisa uKalebhi abantu phambi koMoses, wathi, Masinyuke kwangoku, silihluthe; ngokuba siya kuleyisa kakade.

31Ke amadoda abenyuke naye athi, Asinako ukunyuka siye kwabo bantu; ngokuba bomelele kunathi.

32Ahambisa udaba olubi ngelo zwe abelihlolile koonyana bakaSirayeli, esithi, Ilizwe esacanda kulo silihlola, lilizwe elibadlayo abemi balo; abantu bonke esababonayo kulo babengabafo abade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Sazibona khona iingxilimbela, oonyana baka-Anaki basezingxilimbeleni; sesuka emehlweni ethu saba njengemicikwane, sanjalo nasemehlweni abo.

INumeri 14

Indano yabantu bakuyiva ingxelo yabahloli

1Lonke ibandla laliphakamisa lalikhupha ilizwi lalo, balila abantu ngobo busuku.

2Bonke oonyana bakaSirayeli babakrokrela ooMoses noAron; lathi kubo lonke ibandla, Akwaba besifele ezweni laseYiputa! Akwaba besifele nakule ntlango!

3Yini na ukuba uYehova asizise kweli lizwe ukuze siwe likrele, abafazi nabantwana bethu babe lixhoba? Akusilungele na kanye ukuba sibuyele eYiputa?

4Batshono ukuthi, Masizimisele umphathi, sibuyele eYiputa.

5Bawa ooMoses noAron ngobuso babo phambi kwesikhungu sonke sebandla loonyana bakaSirayeli.

6UYoshuwa unyana kaNun, noKalebhi unyana kaYefune, ababekwababelihlolile ilizwe, bazikrazula iingubo zabo.

7Bathi kwibandla lonke loonyana bakaSirayeli, Ilizwe esacanda kulo silihlola, lilizwe elihle kakhulu kunene.

8Ukuba uYehova usinonelele, wosisa kwelo zwe, asinike; lilizwe elibaleka amasi nobusi.

9Kodwa musani ukugwilika kuYehova, musani ukuboyika abantu belo zwe nina; kuba bakukudla kwethu. Umkile umthunzi wabo kubo, uYehova unathi; musani ukoyika.

10Ke lathi lonke ibandla mabaxulutywe ngamatye. Babonakala ubuqaqawuli bukaYehova ententeni yokuhlangana kubo bonke oonyana bakaSirayeli.

Isohlwayo samaSirayeli: ukugwetywa kwawo abhadule entlango iminyaka engamashumi amané

11Wathi uYehova kuMoses, Kuya kuda kube nini na bendigiba aba bantu? Kuya kuda kube nini na bengakholwa kum, kwimiqondiso yonke endiyenzileyo phakathi kwabo?

12Ndiya kubabetha ngendyikitya yokufa, ndibagqogqe; wena ndikwènze uhlanga olukhulu olunamandla kunabo.

13Wathi uMoses kuYehova, AmaYiputa avile ukuba ubanyusile ngamandla akho aba bantu phakathi kwawo;

14abaxelele nokubaxelela abemi beli lizwe. Bavile nabo ukuba wena, Yehova, uphakathi kwaba bantu. Ùbonakala iliso kwiliso, wena Yehova, nelifu lakho limi phezu kwabo; uhamba phambi kwabo emqulwini welifu emini, emqulwini womlilo ebusuku.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ukuba uthe wababulala aba bantu njengadoda-nye, zotsho iintlanga eziluvileyo udaba lwakho, ukuthi,

16Kungenxa enokuba uYehova ebengenako ukubása abo bantu ezweni abebafungele lona, le nto abasikileyo entlango.

17Kaloku amandla eNkosi makabe makhulu, njengoko wathethayo wena, wathi,

18UYehova uzeka kade umsindo, mkhulu ngenceba, uxolela ubugwenxa nesikreqo, engéze amenze msulwa onetyala; uvelela ubugwenxa booyise koonyana kwesesithathu nakwesesiné isizukulwana.

19Buxolele, ndiyakukhunga, ubugwenxa baba bantu ngokobukhulu benceba yakho, njengoko ubuxoleleyo ubugwenxa baba bantu, uthabathéle eYiputa wezisa apha.

20Wathi uYehova, Ndibaxolele ngokwelizwi lakho.

21Noko, ndihleli nje, buya kulizalisa ihlabathi lonke ubuqaqawuli bukaYehova.

22Amadoda onke abubonileyo ubuqaqawuli bam, nemiqondiso yam endayenzayo eYiputa nasentlango, andilingileyo ezi zihlandlo zilishumi, akaliphulaphula izwi lam,

23wona akasayi kulibona ilizwe endalifungela ooyise; bonke abandigibileyo abasayi kulibona.

24Ke yena umkhonzi wam uKalebhi, ngenxa enokuba ebenamoya wumbi, wakholisa ukundilandela, ndiya kumfikisa ezweni ebeye kulo, lihluthwe yimbewu yakhe.

25Ke ama-Amaleki namaKanan emi entilini. Jikani ngomso, ninduluke, nisinge entlango ngendlela eya eLwandle oluBomvu.

26Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

27Kuya kuda kube nini na ndilithwele eli bandla lingendawo, lona eli lindikrokrelayo? Izikrokro zoonyana bakaSirayeli abandikrokrela ngazo ndizivile.

28Yithi kubo, Ndihleli nje, utsho uYehova, inene, njengoko nithethileyo ezindlebeni zam, ndiya kwenjenjalo kuni.

29Izidumbu zenu ziya kuwa kule ntlango; nabo bonke ababalwáyo kuni ngokwenani lenu lonke, bethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe,

30banyuse, nina nindikrokreleyo, aniyi kungena ezweni endaliphakamisela isandla sam ukuba ndinihlalise kulo, ingenguKalebhi unyana kaYefune, noYoshuwa unyana kaNun.

31Ke usapho lwenu, ebe nisithi luya kuba lixhoba, ndiya kulungenisa lona, lulazi ilizwe enilicekisileyo.

32Nina, izidumbu zenu ziya kuwa kule ntlango;

© 1975 Bible Society of South Africa.

33oonyana benu babe ngabalusi entlango iminyaka emashumi mané, bathwale
ukuhenyuza kwenu, zide ziphele izidumbu zenu entlango.

34Ngokwenani lemihla enalihlola ngayo ilizwe, imihla emashumi mané, umhla ube
ngumnyaka, niya kubuthwala ubugwenxa benu iminyaka emashumi mané, nikwàzi
ukunishiya kwam.

35Mna Yehova ndithethile; inene, le nto ndiya kuyenza kweli bandla lonke
lingendawo, kwaba bahlangene ngam; baya kuphela kule ntlango, bafele kuyo.

36Ke amadoda la abewathumile uMoses, ukuba alihlole ilizwe, aza abuya akrokrisa
lonke ibandla ngaye, ngokuhambisa udaba olubi ngalo ilizwe,

37wona loo madoda abehambise udaba olubi ngelizwe elo, áfa sisibetho eso phambi
koYehova.

38Kwasala uYoshuwa unyana kaNun, noKalebhi unyana kaYefune, kuloo madoda
abeye kulihlola ilizwe.

39Wawathetha uMoses la mazwi kubo bonke oonyana bakaSirayeli; benza isijwili
esikhulu abantu.

AmaSirayeli akaphumeleli ukungena ezweni lakwaKanan

40Bavuka kusasa, baya encotsheni yentaba, besithi, Sikho, siya kunyuka siye kuloo
ndawo ayithethileyo uYehova; ngokuba sonile.

41Wathi uMoses, Yini na, le nto niwugqithayo umlomo kaYehova?

42Le nto ayiyi kuphumelela. Musani ukunyuka, kuba uYehova akakho phakathi
kwenu; ningágxothwa ziintshaba zenu.

43Ngokuba ama-Amaleki namaKanan akhona phambi kwenu, niya kuwa likrele;
ngenxa yokuba nibuyile ekumlandeleni uYehova, akayi kuba nani uYehova.

44Bagxalathelana, benyuka baya encotsheni yentaba; ke yona ityeya yomnqophiso
kaYehova noMoses ayiphumanga phakathi kweminquba.

45Ehla ama-Amaleki namaKanan abehleli kuloo ntaba, abaxabela, abaqoba kwasa
eHorma.

INumeri 15

Imithetho eyahlukahlukeneyo

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Xa nithe nafika ezweni lokuhlala kwenu
endininika lona,

3nenza ukudla kwasemlilweni kuYehova, idini elinyukayo, nokuba ngumbingelelo
wesibhambathiso esibalulekileyo, nokuba ngowokuqhutywa yintliziyo, nokuba

© 1975 Bible Society of South Africa.

ngowamaxesha enu amisiweyo, nisenza ivumba elithozamisayo kuYehova, nithabatha kwiinkomo, nokuba nithabatha kwimpahla emfutshane:

4lowo uwusondezayo umsondezo wakhe kuYehova, wosondeza umnikelo wokudla osisahlulo seshumi se-efa yomgubo ocoliweyo, ugalelwe isahlulo sesiné sehin yeoli;

5nesahlulo sesiné sehin yewayini yomnikelo othululwayo, usenze ndawonye nedini elinyukayo; nokuba ngumbingelelo, ube ngowamvana-nye.

6Nokuba ngowenkunzi yegusha, wowenza umnikelo wokudla ube zizahlulo ezibini zesishumi se-efa yomgubo ocoliweyo, ugalelwe ioli esisahlulo sesithathu sehin;

7newayini yomnikelo othululwayo, isahlulo sesithathu sehin, uyisondeze ibe livumba elithozamisayo kuYehova.

8Xa uthe wenza ithole lenkomo idini elinyukayo, nokuba ngumbingelelo wesibhambathiso esibalulekileyo, nokuba ngowoxolo kuYehova:

9wosondeza ndawonye nethole lenkomo umnikelo wokudla, ube zizahlulo ezithathu zesishumi se-efa yomgubo ocoliweyo, ugalelwe ioli esisiqinqatha sehin.

10Woyisondeza newayini ibe yeyomnikelo othululwayo, esisiqingatha sehin: ukudla kwasemlilweni, ivumba elithozamisayo kuYehova;

11kwenjiwe njalo kwinkomo enye, nokuba kukwinkunzi yemvu enye, nokuba kukwitakane legusha elinye, nelebhokhwe elinye.

12Ngangenani enithe nalenza, niya kwenjenjalo kuyo inye, kube ngangenani lazo.

13Bonke abo bazalelwe kuloo ndawo baya kwenjenjalo kwezo zinto ekusondezeni kwabo ukudla kwasemlilweni, ivumba elithozamisayo kuYehova.

14Xa athe waphambukela kuni umphambukeli, nokuba ngophakathi kwenu ezizukulwaneni zenu, wenza ukudla kwasemlilweni, ivumba elithozamisayo kuYehova: njengoko nenza ngako nina, uya kwenza ngako naye.

15Ngokubhekisele kuso isikhungu, wóba mnye ummiselo kuni, nakumphambukeli ophambukele kuni, ummiselo ongunaphakade kwizizukulwana zenu. Njengoko ninjalo nina, woba njalo umphambukeli phambi koYehova.

16Umyalelo woba mnye, nesiko loba linye kuni, nakumphambukeli ophambukele kuni.

17Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

18Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Ekufikeni kwenu ezweni elo ndinisa kulo,

19kothi ekudleni kwenu isonka selizwe, nirhumele uYehova umrhumo.

20Nòrhuma umrhumo womgrayo wenu wokuqala, wenziwe umqhathane; njengomrhumo wesandá, nowenjenjalo ukuwurhuma.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Kuwo umgrayo wenu wokuqala, nomnika uYehova umrhumo ezizukulwaneni zenu.

22Xa nithe nalahleka, anayenza le mithetho yonke ayithethileyo uYehova kuMoses,

23zonke izinto uYehova aniwisele umthetho ngazo ngesandla sikaMoses, kususela kumhla uYehova awawisa umthetho, nasemva koko ezizukulwaneni zenu;

24kothi, ukuba kuthe kwenzeka into ngokulahleka, ingàbonwa libandla, ibandla lonke lenze inkunzi entsha, ithole lenkomo, libe linye, ibe lidini elinyukayo, ibe livumba elithozamisayo kuYehova, ndawonye nomnikelo walo wokudla, nomnikelo walo othululwayo, ngokwesiko; nenkunzi yebhokhwe exhonti ibe nye, ibe lidini lesono;

25alicamagushele umbingeleli lonke ibandla loonyana bakaSirayeli. Boxolelwa ke, ngokuba ibikukulahleka oku; bawuzisile bona umsondezo wabo, ukudla kwasemlilweni kuYehova, nedini labo lesono phambi koYehova ngenxa yokulahleka kwabo.

26Loxolelwa ke lonke ibandla loonyana bakaSirayeli, nomphambukeli ophambukele phakathi kwenu, ngokuba kubahlele oku abantu bonke ngokulahleka.

27Ukuba ubani uthe wona ngokulahleka, wósondeza ibhokhwe elithokazi elimnyaka mnye, ibe lidini lesono;

28umbingeleli acamagushele umphefumlo olahlekayo ngokona kwawo, ngokulahleka kwawo phambi koYehova. Ákuwucamagushela, woxolelwa ke.

29Kozalwayo phakathi koonyana bakaSirayeli, nakumphambukeli ophambukele phakathi kwenu, woba mnye umyalelo kuni, ngokusingisele kowenza ngokulahleka.

30Ke yena owenza ngesandla esiphakamileyo kwabazalelwe kuloo ndawo nakubaphambukeli, yena uyamnyelisa uYehova; loo mphefumlo ke wonqanyulwa, ungabikho phakathi kwabantu bakowawo.

31Ngokuba ulidelile ilizwi likaYehova, uwaphule nomyalelo wakhe; loo mphefumlo wonqanyulwa kanye, ubugwenxa buphezu kwawo.

32Kwathi, oonyana bakaSirayeli besentlango, bafumana umntu etheza iinkuni ngomhla wesabatha.

33Abo bamfumanáyo etheza iinkuni, bamsondeza kuMoses nakuAron nakwibandla lonke;

34bamfaka elugcinweni, kuba bekungekamiswa okuyà kwenziwa kuye.

35Wathi uYehova kuMoses, Makabulawe afe loo mntu, limxulube ibandla lonke ngamatye, ngaphandle kweminquba.

36Lonke ibandla lamkhuphela ngaphandle kweminquba, lamxuluba ke ngamatye. Wafa, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

37Wathi uYehova kuMoses,

© 1975 Bible Society of South Africa.

38Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, mabenze iintshinga emasondweni eengubo zabo, kwizizukulwana zabo, bafake entshingeni yesondo intsontelo ebala limsi.

39Mayibe yintshinga kuni; nithi, nakuyibona, niyikhumbule yonke imithetho kaYehova, niyenze, ningabhaduli nilandele intliziyo yenu, namehlo enu, enibe nihenyuza ngokulandela wona;

40ukuze niyikhumbule niyenze yonke imithetho yam, nibe ngcwele kuThixo wenu.

41NdinguYehova uThixo wenu, onikhuphileyo ezweni laseYiputa, ukuba ndibe nguThixo kuni: ndinguYehova, uThixo wenu.

INumeri 16

Imvukelo kaKora noDatan noAbhiram

1Ke kaloku uKora, unyana kaItsare, unyana kaKehati, unyana kaLevi, noDatan noAbhiram oonyana bakaEliyabhi, no-On unyana kaPelete, oonyana bakaRubhen,

2bathabatha amadoda angamakhulu amabini, anamanci mahlanu, akoonyana bakaSirayeli, izikhulu zebandla ezanyulwa yintlanganiso, amadoda anodumo; bavukelana noMoses.

3Babizelana ndawonye ngoMoses nangoAron, bathi kubo, Nisenanele nina, ngokuba lingcwele lonke ibandla, bonke bephela; uYehova uphakathi kwabo. Yini na ukuba niziphakamise phezu kwesikhungu sikaYehova?

4Weva uMoses, wawa ngobuso.

5Wathetha kuKora nakwibandla lakhe lonke, esithi, Ngomso uYehova uya kwazisa ongowakhe, ongcwele, amsondeze kuye, lowo amnyulileyo womsondeza kuye.

6Yenzani oku: zithabatheleni iingcedevu, wena Kora nebandla lakho lonke,

7nibeke umlilo kuzo, nibeke isiqhumiso phezu kwazo phambi koYehova ngomso. Kothi, umntu athe uYehova wamnyula abe ngcwele yena; senanele nina, nyana bakaLevi.

8Wathi uMoses kuKora, Khanive, nina nyana bakaLevi.

9Yinto encinane na kuni, ukuba uThixo kaSirayeli anahlule kwibandla lakwaSirayeli, anisondeze kuye, ukuba nisebenze umsebenzi womnquba kaYehova, nime phambi kwebandla, nilungiselele kubo,

10ekusondezile nje wena nabazalwana bakho bonke, oonyana bakaLevi ndawonye nawe? Nifuna kwanobubingeleli na?

11Ninani na, wena nebandla lakho lonke, le nto nihlangana ngoYehova? Ke uAron uyintoni na yena, ukuba nimkrokrele?

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Wathuma uMoses, wabiza uDatan noAbhiram oonyana bakaEliyabhi. Bathi, Asiyi kunyuka size.

13Yinto encinane na le yokuba usinyuse ezweni elibaleka amasi nobusi, uze kusibulala apha entlango, le nto uhlala uzenzé umphathi phezu kwethu?

14Kananjalo akusingenisanga ezweni elibaleka amasi nobusi, akusinikanga lifa lamasimi nazidiliya; uya kuwakrukra na amehlo ala madoda? Asiyi kunyuka size.

15Wavutha kunene umsindo kaMoses, wathi kuYehova, Musa ukuwubheka umnikelo wabo wokudla. Andithabathanga ne-esile elinye kubo, andiphathanga kakubi namnye wabo.

16Wathi uMoses kuKora, Wena nebandla lakho lonke, ze nibe phambi koYehova, wena nabo noAron, ngomso;

17nithabathe elowo ugcedevu lwakhe, nibeke isiqhumiso phezu kwazo, nisondeze phambi koYehova, elowo abe nogcedevu lwakhe, iingcedevu ezimakhulu mabini anamanci mahlanu; nawe noAron elowo abe nogcedevu lwakhe.

18Bathabatha ke elowo ugcedevu lwakhe, babeka umlilo kuzo, babeka isiqhumiso phezu kwazo, bema emnyango wentente yokuhlangana noMoses noAron.

19UKora walibizela ndawonye ngabo ibandla lonke emnyango wentente yokuhlangana. Babonakala ubuqaqawuli bukaYehova kwibandla lonke.

20Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi, Zahluleni kweli bandla;

21ndiya kubagqibela ngephanyazo.

22Bawa ngobuso, bathi, Thixo, Thixo woomoya benyama yonke, koné umntu wamnye nje, ùnoburhalarhume kwibandla lonke na?

23Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

24Thetha kwibandla, uthi, Sukani nimke ngeenxa zonke emzini kaKora noDatan noAbhiram.

25Wesuka uMoses, waya kuDatan noAbhiram; amlandela amadoda amakhulu akwaSirayeli.

26Wathetha kwibandla esithi, Mkani ezintenteni zala madoda angendawo, ningachukumisi nto iyeyawo, hleze niphetshethwe ngezono zawo zonke.

27Benyuka ke, bemka emzini kaKora noDatan noAbhiram ngeenxa zonke. OoDatan noAbhiram bema emnyango weentente zabo, nabafazi babo, noonyana babo, neentsatshana zabo.

28Wathi uMoses, Niya kwazi ngale nto, ukuba uYehova undithumele ukwenza yonke le misebenzi; ngokuba asiyantliziyo yam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Ukuba aba bathe bafa ngokufa kwabantu bonke, nokuba bathe bavelelwa ngokuvelelwa kwabantu bonke, woba uYehova akandithumanga.

30Ke ukuba uYehova uthe wenza isimanga, umhlaba wakhamisa umlomo wawo, wabaginya, nento yonke abanayo, behla besaphilile baya kwelabafileyo, noqonda ngoko ukuba la madoda amgibile uYehova.

31Kwathi, ukugqiba kwakhe ukuwathetha onke la mazwi, wacandeka umhlaba obuphantsi kwabo;

32umhlaba wawuvula umlomo wawo, wabaginya, nezindlu zabo, nabantu bonke bakaKora, nempahla yabo yonke.

33Behla bona besaphilile, nento yonke abanayo, baya kwelabafileyo, umhlaba wabaselela, batshabalala, ababakho phakathi kwesikhungu.

34Onke amaSirayeli abebangqongile abalekiswa sisithonga sesikhalo sabo; ngokuba abesithi, Hleze umhlaba usiginye nathi.

35Kwaphuma umlilo kuYehova, wawadla amadoda angamakhulu amabini anamanci mahlanu, asondeza isiqhumiso.

36Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

37Yitsho kuElazare, unyana ka-Aron umbingeleli, azichole iingcedevu eluvundwini, wena uwuchithachithele kude umlilo, ngokuba zingcwele.

38Iingcedevu zabo bonayo ngakwimiphefumlo yabo, ize nizenze izixwexwe ezicekethekileyo zokwaleka isibingelelo; ngokuba bázisondeza phambi koYehova zangcwaliswa. Zoba ngumqondiso koonyana bakaSirayeli.

39Wazithabatha ke uElazare umbingeleli iingcedevu zobhedu, ababezisondezile abo batshiswayo, zakhandwa, zaba zezokwaleka isibingelelo.

40Yaba sisikhumbuzo eso koonyana bakaSirayeli, ukuze kungasondeli ndoda yasemzini, ingengowembewu ka-Aron, iqhumisele ngesiqhumiso phambi koYehova, ukuze ingabi njengoKora nanjengebandla lakhe, njengoko uYehova wathethayo kuye ngoMoses.

41Lamkrokrela uMoses noAron ngengomso lonke ibandla loonyana bakaSirayeli, lisithi, Nina nibabulele abantu bakaYehova.

42Kwathi ekubizelweni ndawonye kwebandla ngoMoses nangoAron, babheka ententeni yokuhlangana. Nalo ilifu liyisibekele babonakala ubuqaqawuli bukaYehova.

43Beza ooMoses noAron phambi kwentente yokuhlangana.

44Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

45Sukani phakathi kweli bandla, ndiligqibele ngephanyazo. Bawa ngobuso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

46Wathi uMoses kuAron, Luthabathe ugcedevu, ubeke umlilo phezu kwalo ovela esibingelelweni, ubeke isiqhumiso, ukhawuleze uye ebandleni, ubacamagushele; kuba kuphume uburhalarhume ebusweni bukaYehova, siqalile isibetho.

47Wathabatha ke uAron njengoko uMoses wathethayo, wabalekela phakathi kwesikhungu; naso isibetho siqalile ebantwini. Wabeka isiqhumiso, wabacamagushela abantu.

48Wema phakathi kwabafileyo nabahleliyo; sathintelwa ke isibetho.

49Abo bafayo sisibetho baba lishumi elinesiné lamawaka anamakhulu asixhenxe, ngaphandle kwabafáyo ngendawo yakwaKora.

50Wabuyela uAron kuMoses emnyango wentente yokuhlangana; isibetho sathintelwa ke.

INumeri 17

Ukuntshula kwentonga ka-Aron

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Thetha koonyana bakaSirayeli, uthabathe kubo iintonga: intonga ngokwendlu yooyise, kwiinkulu zabo zonke ngokwezindlu zooyise, iintonga ezilishumi elinambini, ubhale igama lalowo nalowo entongeni yakhe.

3Wòbhala igama lika-Aron entongeni yakwaLevi; kuba yoba nye intonga yentloko yendlu yooyise.

4Uze uzibeke ententeni yokuhlangana phambi kwesingqino, apho ndihlangana nani khona.

5Kothi indoda endinyule yona, intonga yayo idubule; ndikuphelise phambi kwam ukukrokra koonyana bakaSirayeli, ababenikrokrela ngako.

6Wathetha ke uMoses koonyana bakaSirayeli; zonke iinkulu zabo zamnika iintonga nganye, intonga yanye kwinkulu, ngokwezindlu zooyise, zalishumi elinambini iintonga. Intonga ka-Aron yabe iphakathi kweentonga zazo.

7Wazibeka uMoses iintonga phambi koYehova, ententeni yesingqino.

8Kwathi ngengomso, wangena uMoses ententeni yesingqino; nantso intonga ka-Aron, wendlu kaLevi, idubule yaphuma amathupha, yatyatyamba iintyantyambo, zavuthwa iiamangile.

9Waphuma uMoses neentonga zonke, evela kuYehova, weza nazo koonyana bonke bakaSirayeli. Bakhangela, bathabatha elowo intonga yakhe.

10Wathi uYehova kuMoses, Yibuyisele intonga ka-Aron phambi kwesingqino igcinwe, ukuba ibe ngumqondiso kwabaneenkani, ukuphelise ukukrokra kwabo phambi kwam, bangafi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Wenza ke uMoses; njengoko uYehova abemwisele umthetho, wenjenjalo.

12Bathetha oonyana bakaSirayeli kuMoses, bathi, Yabona, siyabhubha, siyaphela, siyaphela sonke.

13Bonke abasondelayo, abasondela emnqubeni kaYehova, baya kufa. Siya kubhubha sigqibele na?

INumeri 18

Iimfanelo nokondliwa kwababingeleli nabaLevi

1Wathi uYehova kuAron, Wena noonyana bakho, nendlu kayihlo ndawonye nawe, nobuthwala ubugwenxa obenziwe kwindawo engcwele; wena noonyana bakho ndawonye nawe nobuthwala ubugwenxa bobubingeleli benu.

2Kananjalo abazalwana bakho, isizwe sakwaLevi, isizwe sikayihlo, wobasondeza nawe, banamathele kuwe, balungiselele wena; wena ke, noonyana bakho ndawonye nawe, phambi kwentente yesingqino.

3Bogcina isigxina sakho nesigxina sentente yonke; kodwa empahleni yengcwele nasesibingelelweni mabangasondeli, ukuze bangafi bona aba kwanani.

4Bonamathela kuwe, bagcine isigxina sentente yokuhlangana emsebenzini wonke wayo intente; ke owasemzini aze angasondeli kuni.

5Nize nigcine isigxina sengcwele nesigxina sesibingelo, kungabuyi kubhekho burhalarhume phezu koonyana bakaSirayeli.

6Mna ke, yabona, ndibathabathile abazalwana benu, abaLevi, phakathi koonyana bakaSirayeli; nibanikiwe bangumnikelo kuYehova wokusebenza umsebenzi wentente yokuhlangana.

7Ke wena noonyana bakho ndawonye nawe, nòbugcina ububingeleli benu ezintweni zonke zesibingelelo, nangaphaya komkhusane; nisebenze umsebenzi. Ndininika ububingeleli ukuba bube ngumsebenzi eniwunikiweyo. Owasemzini osondelayo uya kubulawa.

8Wathetha uYehova kuAron, esithi, Yabona, mna ndikunika isigxina semirhumo yam, ezintweni zonke ezingcwele zoonyana bakaSirayeli; ndisinika wena noonyana bakho sibe ngumxhesho, sibe ngummiselo ongunaphakade.

9Yile into eyoba yeyakho ezintweni eziyingcwele kangcwele, ekudleni kwasemlilweni: yonke imisondezo yabo, eminikelweni yabo yokudla, nasemadinini abo onke esono, nasemadinini abo onke etyala, abayibuyisela kum, yoba ziinto eziyingcwele kangcwele kuwe nakoonyana bakho.

10Nozidla engcweleni kangcwele; yonke into eyindoda yozidla; zoba ngcwele kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Yile into eyoba yeyakho: umrhumo wesipho sabo emitshangatshangisweni yonke yoonyana bakaSirayeli ndiwunika wena, noonyana bakho, neentombi zakho ndawonye nawe, ube ngummiselo ongunaphakade. Bonke abahlambulukileyo endlwini yakho bowudla.

12Konke ukutyeba kweoli, konke ukutyeba kwewayini entsha, nokwengqolowa, ulibo lwezo zinto baya kuzinika uYehova, ndikunika lona.

13Iintlahlela zeento zonke ezisezweni labo, abazizisa kuYehova, zoba zezakho; bonke abahlambulukileyo endlwini yakho bozidla.

14Zonke izinto ezisingelwe phantsi kwaSirayeli zoba zezakho.

15Zonke izinto ezivula isizalo kwinyama yonke, abaya kuzisondeza kuYehova, ebantwini nasezinkomeni, zoba zezakho. Kodwa wona amazibulo abantu wòwakhulula ngokuwamisela; amazibulo ezinto ezizitho ziné eziziinqambi wòwakhulula ngokuwamisela.

16Ukukhululwa komntu ke womkhulula ngokummisela, uthabathela kumntwana onyanga-nye, ngokulinganisela kwakho isilivere yeeshekele ezintlanu ngokweshekele yengcwele, eziigera ezimashumi mabini.

17Kodwa amazibulo eenkomo, namazibulo ezimvu, namazibulo eebhokhwe, akuyi kuwakhulula ngokuwamisela. Angcwele wona; igazi lawo wolitshiza esibingelelweni, uqhumisele ngamanqatha awo; kukudla kwasemlilweni ke oko, livumba elithozamisayo kuYehova.

18Inyama yawo yoba yeyakho; njengencum yomtshangatshangiso, nanjengomlenze wasekunene, yoba yeyakho.

19Yonke imirhumo engcwele, abayirhumela uYehova oonyana bakaSirayeli, ndiyinika wena, noonyana bakho, neentombi zakho ndawonye nawe, ibe ngummiselo ongunaphakade; ingumnqophiso wetyuwa ongunaphakade phambi koYehova, kuwe nakwimbewu yakho ndawonye nawe.

20Wathi uYehova kuAron, Ezweni labo akuyi kuba nalifa, akuyi kuba nasabelo phakathi kwabo; ndisisabelo sakho nelifa lakho phakathi koonyana bakaSirayeli.

21Uyabona, oonyana bakaLevi ndibanika zonke izishumi kwaSirayeli, ukuba zibe lilifa, ngenxa yomsebenzi wabo abasebenza wona, umsebenzi wentente yokuhlangana;

22bangaphindi oonyana bakaSirayeli basondele ententeni yokuhlangana, hleze bathwale isono bafe.

23Ke bona abaLevi bosebenza umsebenzi wentente yokuhlangana, babuthwale ubugwenxa babo; ngummiselo ongunaphakade ezizukulwaneni zenu. Abayi kuba nalifa phakathi koonyana bakaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Ngokuba isishumi soonyana bakaSirayeli, abasirhumela uYehova umrhumo, ndisinika abaLevi sibe lilifa. Ngenxa yoko ndithe kubo, Mabangabi nalifa phakathi koonyana bakaSirayeli.

25Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

26Thetha kubaLevi, uthi kubo, Xa nithe nasithabatha koonyana bakaSirayeli isishumi endininika sona, esiphuma kubo sililifa lenu, norhuma ngaso umrhumo kaYehova, ngesishumi sesishumi.

27Wóthi umrhumo wenu ubalelwe kuni uyingqolowa yasesandeni, uyinzaliseko yasesixovulelweni.

28Ngokunjalo nani norhuma umrhumo kaYehova ngezishumi zenu zonke enizithabathayo koonyana bakaSirayeli, nimnika uAron umbingeleli kuzo umrhumo kaYehova.

29Eminikelweni yonke eniyinikiweyo, norhuma imirhumo yonke kaYehova; ekutyebeni kwayo konke norhuma into yakhe eyingcwele ivela kuyo.

30Uze uthi ke kubo, Ekurhumeni kwenu ukutyeba kwayo, kobalelwa kubaLevi, ilungeniselo lwesandà, ilungeniselo lwesixovulelo.

31Nòkudla oko ezindaweni zonke, nina nezindlu zenu; kuba ngumvuzo wenu ngenxa yomsebenzi wenu ententeni yokuhlangana.

32Anisayi kuzithwalisa zono ngenxa yoko ekurhumeni kwenu ukutyeba kwayo okukuyo; anisayi kuzihlambela izinto ezingcwele zoonyana bakaSirayeli; anisayi kufa.

INumeri 19

Ukuhlanjululwa kwabachukumise izidumbu

1Wathetha uYehova kuMoses nakuAron, esithi,

2Nguwo lo ummiselo womyalelo awumisileyo uYehova, esithi, Thetha koonyana bakaSirayeli, bakuzisele ithokazi elibomvu eligqibeleleyo, elingenasiphako, ekungabekwanga dyokhwe kulo;

3nilinike uElazare umbingeleli, alise ngaphandle kweminquba, lixhelelwe phambi kwakhe.

4Wócaphula ke uElazare umbingeleli egazini lalo ngomnwe wakhe, alifefe ngaphambili ententeni yokuhlangana izihlandlo ezisixhenxe;

5litshiswe ithokazi phambi kwakhe, sitshiswe isikhumba salo, nenyama yalo, negazi lalo, ndawonye nomswane walo.

6Umbingeleli wothabatha ke umsedare, nehisope, nosinga olubomvu, aziphose ezo nto phakathi kokutsha kwethokazi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

7ahlambe iingubo zakhe umbingeleli, ahlambe umzimba wakhe ngamanzi, angene emveni koko eminqubeni, abe yinqambi umbingeleli kude kuhlwe.

8Lowo ulitshisileyo makazihlambe iingubo zakhe ngamanzi, ahlambe umzimba ngamanzi, abe yinqambi kude kuhlwe.

9Indoda ehlambulukileyo yoluwola uthuthu lwethokazi, ilubeke ngaphandle kweminquba endaweni emhlophe, lugcinelwe ibandla loonyana bakaSirayeli, lube lolwamanzi okuhlamba ukungcola: lidini lesono eli.

10Oluwolayo uthuthu lwethokazi wazihlamba iingubo zakhe, abe yinqambi kude kuhlwe; kube ngummiselo ongunaphakade koonyana bakaSirayeli, nakowolunye uhlanga oluphambukele phakathi kwabo.

11Ochukumisa ofileyo kuzo izidumbu zabantu, woba yinqambi iintsuku ezisixhenxe.

12Wóthi ngomhla wesithathu nangomhla wesixhenxe azihlambulule isono, ahlambululeke ke. Ukuba ke akathanga azihlambulule isono ngomhla wesithathu nangomhla wesixhenxe akayi kuba uhlambulukile.

13Bonke abo bachukumisa ofileyo, isidumbu somntu, bangàzihlambululi isono, bawenza inqambi umnquba kaYehova. Wonqunyulwa ungabikho kwaSirayeli loo mphefumlo; ngokuba engatshizwanga ngamanzi okuhlamba ukungcola phezu kwakhe, woba yinqambi; ubunqambi bakhe busekuye.

14Nguwo lo umyalelo xa athe umntu wafela ententeni; bonke abo bangena ententeni, nabo bonke abasukuba besesententeni, boba ziinqambi iintsuku ezisixhenxe.

15Zonke izitya ezivulekileyo, ezingenasiciko sibotshiweyo, ziziinqambi.

16Bonke abasukuba bemchukumisa emaphandleni obulewe ngekrele, nokuba ngofele khona, nokuba lithambo lomntu, nokuba lingcwaba: bona boba ziinqambi iintsuku ezisixhenxe.

17Bomcaphulela oyinqambi eluthuthwini lokutsha kwedini lesono, kubekwe phezu kwalo amanzi aphilileyo ngesitya;

18indoda ehlambulukileyo ithabathe ihisope, iyithi nkxu emanzini, ifefe intente, neempahla zonke, nabantu ababekuyo, nalowo uchukumise ithambo, nobuleweyo, nofileyo, nokuba ke kusengcwabeni.

19Wofefa ohlambulukileyo koyinqambi ngomhla wesithathu nangomhla wesixhenxe, amhlambulule ke isono ngomhla wesixhenxe, azihlambe iingubo zakhe, ahlambe umzimba ngamanzi; wohlambuluka ke ngokuhlwa.

20Ke umntu osukuba eyinqambi, angàzihlambululi isono, loo mphefumlo mawunqunyulwe phakathi kwesikhungu; ngokuba uyenzé inqambi ingcwele kaYehova, àkatshizwa ngamanzi okuhlamba ukungcola; uyinqambi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Woba ngummiselo ongunaphakade kubo: okokuba ofefa ngamanzi okuhlamba ukungcola, makazihlambe iingubo zakhe; nalowo uchukumisa amanzi okuhlamba ukungcola woba yinqambi kude kuhlwe.

22Yonke into asukuba eyichukumisa oyinqambi yoba yinqambi; nomphefumlo omchukumisayo woba yinqambi kude kuhlwe.

INumeri 20

Ukufa kukaMiriyam

1Bafika oonyana bakaSirayeli, lonke ibandla, entlango yaseTsin ngenyanga yokuqala; bahlala abantu eKadeshe. Wafela khona uMiriyam, wangcwatyelwa khona.

Abantu banikwa amanzi ngommangaliso eMeribha

2Lalingenamanzi ibandla. Babizelana ndawonye ngoMoses nangoAron,

3babambana abantu noMoses, bathi, Akwaba sibe siphume umphefumlo oko abazalwana bethu baphuma umphefumlo phambi koYehova!

4Yini na ukuba nisingenise isikhungu sikaYehova kule ntlango, sifele kuyo, thina neenkomo zethu?

5Yini na ukuba nisinyuse eYiputa, nisizise kule ndawo imbi kangaka? Asindawo yambewu, namakhiwane, namidiliya, nazirharnate, tu namanzi okusela!

6Besuka ooMoses noAron ebusweni besikhungu, baya emnyango wentente yokuhlangana, bawa ngobuso. Babonakala ubuqaqawuli bukaYehova kubo.

7Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

8Yithabathe intonga, ulibizele ndawonye ibandla, wena noAron umkhuluwa wakho, nithethe engxondorheni phambi kwabo, inike amanzi ayo, ubakhuphele amanzi engxondorheni apho, uliseze ibandla neenkomo zalo.

9Wayithabatha ke uMoses intonga ebusweni bukaYehova, njengoko wawiswayo umthetho.

10Wasibizela ndawonye uMoses noAron isikhungu phambi kwengxondorha leyo, wathi kubo, Khanive, nina baneenkani. Sínikhuphele amanzi kule ngxondorha na?

11Wasiphakamisa uMoses isandla sakhe, wayibetha ingxondorha ngentonga yakhe izihlandlo zazibini; aphuma amanzi amaninzi, lasela ibandla neenkomo zalo.

12Wathi uYehova kuMoses nakuAron, Ngokokuba ningakholwanga kum, ukuba nindingcwalise emehlweni oonyana bakaSirayeli, ngoko aniyi kusingenisa esi sikhungu ezweni endibanika lona.

13Ngawo lawo amanzi aseMeribha, ababambana ngawo oonyana bakaSirayeli noYehova, waza wazingcwalisela bona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14UMoses wasusa izigidimi eKadeshe, zaya kuthi kukumkani wakwaEdom, Utsho umzalwana wakho uSirayeli ukuthi, Wena uyakwazi konke ukuxhamleka esafumanana nako.

15Behla oobawo, baya eYiputa, sahlala eYiputa imihla emininzi. Asiphatha kakubi amaYiputa, thina noobawo bethu;

16sakhala kuYehova, waliva ilizwi lethu; wathuma isithunywa, sasikhupha eYiputa. Nanku ke siseKadeshe, umzi osekupheleni komda wakho.

17Makhe sicande ezweni lakho. Asiyi kucanda masimini nasezidiliyeni. Asiyi kusela manzi amaqula. Sohamba ngomendo wenkosi; asiyi kuthi gu bucala siye ekunene nasekhohlo, side sicande emdeni wakho.

18Wathi uEdom kuye, Ùze ungacandi kum, hleze ndiphume ndinekrele, ndikuhlangabeze.

19Bathi oonyana bakaSirayeli kuye, Sonyuka ngomendo. Ukuba sithe sasela amanzi akho, mna nemfuyo yam, ndokuhlawulela. Akukho nto, ndocanda nje kodwa, ndihamba ngeenyawo.

20Wathi, Ùze ungacandi. Watsho waphuma uEdom, wamhlangabeza enento eninzi yabantu, enesandla esithe nkqi.

21Wala uEdom ukumvumela uSirayeli ukuba acande emdeni wakhe. Wajika ke uSirayeli, wemka kuye.

Ukufa kuka-Aron

22Banduluka eKadeshe; beza oonyana bakaSirayeli, ibandla lonke, entabeni yeHore.

23Wathetha uYehova kuMoses nakuAron entabeni yeHore, emdeni welizwe lakwaEdom, wathi,

24UAron makahlanganiselwe kwabakowabo; ngokuba akayi kungena ezweni endilinika oonyana bakaSirayeli, ngenxa yokuba nawuphikisayo umlomo wam emanzini embambano.

25Thabatha uAron noElazare unyana wakhe, ubanyuse entabeni yeHore;

26umhlube uAron iingubo zakhe, uzambathise uElazare unyana wakhe. UAron wohlanganiselwa kwabakowabo, afele khona.

27Wenza uMoses njengoko uYehova wamwiselayo umthetho; benyuka entabeni yeHore phambi kwebandla lonke.

28UMoses wamhluba uAron iingubo zakhe, wazambathisa uElazare unyana wakhe. Wafela khona uAron encotsheni yentaba. Wehla uMoses noElazare entabeni.

29Lakubona lonke ibandla ukuba uAron uphume umphefumlo, bamlilela uAron imihla emashumi mathathu, yonke indlu yakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

INumeri 21

Inyoka yobhedu

1Weva umKanan, ukumkani waseAradi, obehleli kwelasezantsi, ukuba ayeza
amaSirayeli ngendlela yeentlola, walwa namaSirayeli, wathimba abantu kuwo.

2Abhambathisa amaSirayeli isibhambathiso kuYehova, athi, Ukuba uthe wabanikela
inene aba bantu esandleni sam, ndoyisingela phantsi imizi yabo.

3Waliva uYehova ilizwi lamaSirayeli, wamnikela umKanan lowo kuwo, wasingelwa
phantsi nemizi yakhe. Kwathiwa igama laloo ndawo yiHorma.

4Banduluka entabeni yeHore ngendlela yoLwandle oluBomvu, ukuba bajikele ilizwe
lakwaEdom; bakhathazeka abantu endleleni.

5Bathetha abantu ngoThixo nangoMoses, bathi, Yini na ukuba nisinyuse eYiputa, size
kufela entlango? Ngokuba tu isonka, tu namanzi; umphefumlo wethu ukruqukile sesi
sonka sinkatshunkatshu.

6UYehova wathuma iinyoka ezinobuhlungu ebantwini, zabaluma abantu; kwafa
abantu abaninzi bakwaSirayeli.

7Beza abantu kuMoses, bathi, Sonile, ngokuba sithethe ngoYehova nangawe;
thandaza kuYehova, azisuse kuthi iinyoka ezo. Wabathandazela ke uMoses abantu.

8Wathi uYehova kuMoses, Zenzele inyoka enobuhlungu, uyixhome esibondeni eside;
kothi, bonke abo balunyiweyo, bakukhangela kuyo, baphile.

9Wenza ke uMoses inyoka yobhedu, wayixhoma esibondeni eside; kwathi, yakuba
ithe inyoka yamluma umntu, waza wabheka enyokeni yobhedu, waphila.

Ukoyiswa kwama-Amori noBhashan

10Banduluka oonyana bakaSirayeli, baya bamisa iintente eObhoti.

11Banduluka eObhoti, baya bamisa eIye-abharim, entlango ephambi
kwelakwaMowabhi, ngasekuphumeni kwelanga.

12Banduluka khona, baya bamisa esihlanjeni saseZerede.

13Banduluka khona, baya bamisa phesheya kweArnon, esentlango, ephuma emdeni
wama-Amori; kuba iArnon ngumda wakwaMowabhi, ophakathi kwamaMowabhi
nama-Amori.

14Ngenxa yoko, kuthiwa encwadini yeemfazwe zikaYehova:
IVahebhi wayithabatha esiza ngesaqhwithi, Nezibhaxa zaseArnon,

15Namathambeka ezibhaxa, Olukela ekhayeni laseAri, Ayame umda wakwaMowabhi.

16Banduluka khona, baye eBhere; elo lelo qula wathi ngalo uYehova kuMoses,
Hlanganisa abantu, ndibanike amanzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Oko ahlaba amaSirayeli le ngoma: Nyuka, qula; vumani kulo,

18Kwiqula elambiwa ngabathetheli, Lagonjwa ngamanene abantu, Ngentonga yommisi-mthetho, ngemisimelelo yawo. Banduluka entlango, baya eMatana.

19Banduluka eMatana, baya eNahaliyeli. Banduluka eNahaliyeli, baya eBhamoti.

20BandulukaeBhamoti, baya esihlanjeni esisemhlabeni wakwaMowabhi, baya encotsheni yePisga, ekhangele enkangala.

21AmaSirayeli athuma izigidimi kuSihon, ukumkani wama-Amori, esithi, Mandicande ezweni lakho;

22asiyi kuthi gu bucala, siye emasimini nasezidiliyeni; asiyi kusela manzi equla; siya kuhamba ngomendo wenkosi, side sicande emdeni wakho.

23Akawavumela uSihon amaSirayeli ukuba acande emdeni wakhe. USihon wahlanganisa bonke abantu bakhe, waphuma waya kuwahlangabeza amaSirayeli entlango, wafika eYatsa, walwa namaSirayeli.

24AmaSirayeli amxabela ngohlangothi lwekrele, alihlutha ilizwe lakhe, athabathela eArnon, esa eYabhoki, esa koonyana baka-Amon; ngokuba umda woonyana baka-Amon ubuliqele.

25AmaSirayeli ayithabatha yonke le mizi, ahlala amaSirayeli emizini yonke yama-Amori, eHeshbhon nasemagxamesini ayo.

26Kuba iHeshbhon ngumzi wakwaSihon, ukumkani wama-Amori, owalwa nokumkani wakwaMowabhi wangaphambili, walihlutha lonke ilizwe lakhe kuye, kwesa eArnon.

27Ngenxa yoko babesithi abenzi bemizekeliso: Yizani eHeshbhon, mawakhiwe uzinziswe umzi wakwaSihon;

28Ngokuba kuphume umlilo eHeshbhon, Ilangatye emzini wakwaSihon; Wayidla iAri yakwaMowabhi, Abaninimimango baseArnon.

29Yeha wena, Mowabhi! Nidakile, bantu bakwaKemoshe, Úbanikele oonyana bakhe baba ngabasabi, Iintombi zakhe uzinikele ekuthinjweni, KuSihon, ukumkani wama-Amori.

30Sibatolile; idakile iHeshbhon, kwesa eDibhon; Sababhangazisa, kwesa eNofa, Yangumlilo, kwesa eMedebha.

31Ahlala amaSirayeli ezweni lama-Amori.

32Wathuma uMoses ukuba iye kuhlolwa iYazere; bawathimba amagxamesi ayo, bawagqogqa ama-Amori abekhona.

33Bajika, benyuka ngendlela yaseBhashan. Waphuma uOgi, ukumkani waseBhashan, waya kubahlangabeza, yena nabantu bakhe bonke, ukuba kuliwe e-Edreyi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Wathi uYehova kuMoses, Musa ukumoyika; ngokuba ndimnikele esandleni sakho,
nabantu bakhe bonke, nelizwe lakhe, ukuba wenze kuye njengoko wenzáyo kuSihon,
unkumkani wama-Amori, owayehleli eHeshbhon.

35Bambulala yena noonyana bakhe, nabantu bakhe bonke, kwada akwasala
usindileyo; balihlutha ilizwe lakhe.

INumeri 22

UBhalaki noBhileham

1Banduluka oonyana bakaSirayeli, baya bamisa ezinkqantsoni zakwaMowabhi
phesheya kweYordan, malunga neYeriko.

2Wakubona uBhalaki, unyana kaTsipore, konke abekwenzile uSirayeli kuma-Amori.

3UMowabhi wanxunguphala kakhulu ngabantu, ngokuba bebaninzi; wakruquka
uMowabhi ngoonyana bakaSirayeli.

4Wathi uMowabhi kumadoda amakhulu akwaMidiyan, Ngoku esi sikhungu siya
kukukhotha konke okungeenxa zonke kuthi, njengoko inkomo ilukhothayo uhlaza
lwasendle. Ke uBhalaki, unyana kaTsipore, ubengukumkani wamaMowabhi ngelo
xesha.

5Wathuma abathunywa kuBhileham, unyana kaBhehore, ePehore, esemlanjeni
welizwe loonyana babantu bakowabo, ukuba bambize bathi, Yabona, kuphume
abantu eYiputa; nabo bebugubungele ubuso belizwe, behleli malungana nam.

6Khawuze ke, undiqalekisele aba bantu, ngokuba banamandla kunam; mhlawumbi
ndingaba nako ukubabulala, ndibagxothe kweli lizwe; ngokuba ndiyazi ukuba
omsikelelayo usikelelwe, omqalekisayo uqalekisiwe.

7Ahamba ke amadoda amakhulu akwaMowabhi, namadoda amakhulu akwaMidiyan,
eneenkozo zokuvumisa ezandleni zawo, aya kuBhileham, athetha kuye amazwi
kaBhalaki.

8Wathi kuwo, Lalani apha ngobu busuku; ndoninika ilizwi, njengoko uYehova aya
kuthetha kum. Bahlala ke abathetheli abo bakwaMowabhi noBhileham.

9Wafika uThixo kuBhileham, wathi, Angoobani na la madoda anawe apha?

10Wathi uBhileham kuThixo, UBhalaki unyana kaTsipore, ukumkani wamaMowabhi,
uthumele kum, esithi,

11Yabona, kuphume abantu eYiputa, babugubungela ubuso belizwe; yiza ke
undiqalekisele bona, mhlawumbi ndingaba nako ukulwa nabo, ndibagxothe.

12Wathi uThixo kuBhileham, Uze ungahambi nawo, ungabaqalekisi abo bantu, kuba
basikelelwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wavuka uBhileham kusasa, wathi kubathetheli bakaBhalaki, Yiyani ezweni lenu; ngokuba uYehova uyala ukundivumela ndihambe nani.

14Besuka ke abathetheli bakwaMowabhi, baya kuBhalaki, bathi, Walile uBhileham ukuza nathi.

15Waphinda uBhalaki, wathuma abathetheli bebaninzi, bebekekile kunabo.

16Bafika ke kuBhileham, bathi kuye, Utsho uBhalaki, unyana kaTsipore, ukuthi, Musa ukukha unqandwe nto ukuza kum;

17kuba ukukuzukisa kona ndiya kukuzukisa kunene, ndikwenze konke ondixelela kona; khawuze undiqalekisele aba bantu.

18Waphendula uBhileham, wathi kubakhonzi bakaBhalaki, Angafanelana uBhalaki endinika indlu yakhe izele yisilivere negolide, andinako ukuwugqitha umlomo kaYehova, uThixo wam, ndenze okuncinane nokuba kokukhulu.

19Khanihlale apha ke nani ngobu busuku, ndide ndiyazi into aya kuyongeza uYehova, ayithethe kum.

20Wafika uThixo kuBhileham ebusuku, wathi kuye, Ukuba la madoda afike kuwe eza kukubiza, suka uhambe nawo; ke ilizwi endolithetha kuwe, uze wenze lona lodwa.

21Wavuka uBhileham kusasa, wayibopha imazi yakhe ye-esile, wahamba nabathetheli abo bakwaMowabhi.

22Wavutha umsindo kaThixo, ngokuba wahambayo. Sema isithunywa sikaYehova endleleni ukuba simchase. Wayekhwele e-esileni lakhe, enamadodana akwakhe omabini.

23Iesile lasibona isithunywa sikaYehova simi endleleni, sirhole ikrele laso ngesandla saso, lathi gu bucala iesile endleleni, laya entsimini. UBhileham walibetha iesile, elisongela endleleni.

24Sema isithunywa sikaYehova engxingweni yezidiliya, iludonga ngapha, iludonga ngapha.

25Iesile lasibona isithunywa sikaYehova, lagudla udonga, lalugudla unyawo lukaBhileham ngodonga; waphinda walibetha.

26Saphinda sagqitha isithunywa sikaYehova, sema endaweni exineneyo, apho bekungekho ndlela yakucezela ekunene nasekhohlo.

27Iesile lasibona isithunywa sikaYehova, lasadalala phantsi koBhileham. Wavutha umsindo kaBhileham, walibetha iesile ngentonga.

28Wawuvula ke uYehova umlomo weesile, lathi kuBhileham, Ndikwenzé ntoni na, ukuba undibethe la maxesha mathathu?

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Wathi uBhileham kwiesile, Kungokuba ufekethé ngam; akwaba bendiphethe ikrele ngesandla sam; inene, ngendikubulele ngoku!

30Lathi iesile kuBhileham, Andililo iesile lakho na okhwela kulo, kuseloko wabakhoyo unanamhla? Ndiqhelile na ukwenjenje kuwe?

31Wathi, Hayi. Wawavula uYehova amehlo kaBhileham, wasibona isithunywa sikaYehova simi endleleni, sirhole ikrele laso ngesandla saso. Wathoba, waqubuda ngobuso bakhe.

32Sathi kuye isithunywa sikaYehova, Ulibethele ntoni na iesile lakho la maxesha mathathu? Yabona, kuphumé mna ukuza kukuchasa; ngokuba ekuboneni kwam le ndlela iseyelisela.

33Landibona iesile, lacezela phaya kum la maxesha omathathu; koko lacezela phaya ngenxa yam, okanye ngendikubulele ngoku wena, ndalisindisa lona.

34Wathi uBhileham kwisithunywa sikaYehova, Ndonile, kuba bendingazi ukuba wena uze kundimela endleleni; ngoku, ukuba kubi emehlweni akho, ndobuya.

35Sathi isithunywa sikaYehova kuBhileham, Hamba namadoda lawo; ke ilizwi endolithetha kuwe, uze uthethe lona lodwa. Wahamba ke uBhileham nabathetheli bakaBhalaki.

36Weva uBhalaki ukuba uBhileham uyeza. Waphuma waya kumhlangabeza emzini wakwaMowabhi osemdeni waseArnon, ekupheleni komda.

37Wathi uBhalaki kuBhileham, Andikuthumelanga na ndiqinisile ukuba ndikubize? Yini na ukuba ungezi kum? Ndihleli nje, andinako na ukukuzikisa?

38Wathi uBhileham kuBhalaki, Uyabona, ndifikile kuwe; ndinako na ke ngoku ukuthetha into eyiyo? Ilizwi alibekayo uThixo emlonyeni wam, ndiya kuthetha lona.

39Wahamba uBhileham noBhalaki, bafika eKiriyati-hutsoti.

40Wabingelela uBhalaki iinkomo nempahla emfutshane, wathumela kuBhileham nakubathetheli ababenaye.

41Kwathi ngomso, uBhalaki wamthabatha uBhileham, wamnyusa wamsa ezigangeni zikaBhahali. Wabona khona wada wesa ekupheleni kwabantu.

INumeri 23

Ukuprofeta kukaBhileham

1Wathi uBhileham kuBhalaki, Ndákhele apha izibingelelo zibe sixhenxe, undimisele apha iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe sixhenxe, neenkunzi zezimvu zibe sixhenxe.

2Wenza ke uBhalaki njengoko wathethayo uBhileham. Bathi ooBhalaki noBhileham benyusa kwisibingelelo ngesibingelelo inkunzi entsha yenkomo nenkunzi yemvu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Wathi uBhileham kuBhalaki, Yima wena ngasedinini lakho elinyukayo, ndihambe mna; mhlawumbi uYehova woza kundihlangabeza, nelizwi asukuba endibonisa lona ndokuxelela ke. Waya eluqhayini.

4UThixo waqubisana noBhileham; wathi yena kuye, Ndilungisé izibingelelo zasixhenxe, ndanyusa inkunzi entsha yenkomo nenkunzi yemvu kwisibingelelo ngesibingelelo.

5UYehova wabeka ilizwi emlonyeni kaBhileham, wathi, Buya uye kuBhalaki, wenjenje ukuthetha.

6Wabuya waya ke kuye. Nanko emi ngasedinini lakhe elinyukayo, yena nabathetheli bonke bakwaMowabhi.

7Wasusela ngomzekeliso wakhe, wathi, UBhalaki ukumkani wamaMowabhi undithabathe kwa-Aram, Ezintabeni zasempumalanga, esithi, Yiza undiqalekisele uYakobi; Yiza ubhavumele uSirayeli.

8Ndothini na ukuqalekisa angàmqalekisiyo uThixo? Ndothini na ukubhavumela angambhavumeliyo uYehova?

9Ngokuba, ndisencotsheni yamawa, ndiyambona; Ndisezindulini, ndibonisela yena. Yabona, ngabantu abahlala bodwa, Àbabalelwa phakathi kwazo iintlanga.

10Ngubani na ongalubalayo uthuli lwakwaYakobi, Nesahlulo sesiné sakwaSirayeli ngokwenani? Umphefumlo wam mawufe ukufa kwabathe tye, Ukuphela kwam kube njengokwabo!

11Wathi uBhalaki kuBhileham, Yintoni na le nto undenzé yona? Ndikuthabathéle ukuba uziqalekise iintshaba zam, nanku amana ukuzisikelela.

12Waphendula yena, wathi, Oko akubekileyo uYehova emlonyeni wam, mandingakugcini na, ndikuthethe?

13Wathi uBhalaki kuye, Khawuze siye ndaweni yimbi, apho uya kubabona; wobona isiphelo sabo sodwa, ungababoni bonke bephela; undiqalekisêle ke bona apho.

14Wamsa emhlabeni wababoniseli, encotsheni yePisga, wákha izibingelelo ezisixhenxe; wenyusa inkunzi entsha yenkomo, nenkunzi yemvu, kwisibingelelo ngesibingelelo.

15Wathi kuBhalaki, Yenjenje ukuma ngasedinini lakho elinyukayo, ndenjenje mna ukuhlangabeza uYehova.

16UYehova waqubisana noBhileham, wabeka ilizwi emlonyeni wakhe, wathi, Buya uye kuBhalaki, wenjenje ukuthetha.

17Wafika ke kuye; nanko emi ngasedinini lakhe elinyukayo, nabathetheli bakwaMowabhi benaye; wathi uBhalaki kuye, Úthethé ntoni na uYehova?

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Wasusela ngomzekeliso wakhe, wathi, Suka ume, Bhalaki uve; Ndibekele indlebe, nyana kaTsipore.

19UThixo akamntu ukuba athethe amanga, Akanyana waluntu ukuba azohlwaye. Etshilo nje yena, akayi kwenza na? Ethethile nje, akayi kufeza na?

20Yabona, ndamkéle ukusikelela; Úsikelele, ke andinakukubuyisa.

21Akaboni butshinga kuYakobi, Akaboni bubi kuSirayeli. UYehova uThixo wakhe unaye, Ukuduma kokumkani kuphakathi kwakhe.

22UThixo umkhupha eYiputa; Amendu akhe anjengawenqu.

23Akukho zihlabo ngoYakobi, Akukho kuvumisa ngoSirayeli. Ngexesha elililo, kuthethwa kuYakobi nakuSirayeli Into ayenzayo uThixo.

24Yabona, abantu besuka njengengonyamakazi; Baziphakamisa njengengonyam' induna. Àbalali phantsi, bade badle okuqwengiweyo, Basele igazi labahlatyiweyo.

25Wathi uBhalaki kuBhileham, Uze ungabi sabaqalekisa, uze ungabi sabasikelela.

26Waphendula uBhileham wathi kuBhalaki, Bendingathethanga na kuwe ndathi, Konke akuthethayo uYehova ndiya kwenza kona?

27Wathi uBhalaki kuBhileham, Khawuze ndikuse ndaweni yimbi; mhlawumbi kolunga emehlweni kaThixo, ukuba undiqalekisele ke bona khona.

28UBhalaki wamsa ke uBhileham encotsheni yePehore, ekhangele enkangala.

29Wathi uBhileham kuBhalaki, Ndákhele apha izibingelelo zibe sixhenxe, undimisele apha iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe sixhenxe, neenkunzi zezimvu zibe sixhenxe.

30Wenza ke uBhalaki njengoko wathethayo uBhileham, wenyusa kwisibingelelo ngesibingelelo inkunzi entsha yenkomo nenkunzi yemvu.

INumeri 24

Ukuprofeta kokugqibela kukaBhileham nokugxothwa kwakhe nguBhalaki

1Wabona uBhileham, ukuba kuhle emehlweni kaYehova ukumsikelela uSirayeli, akaya kuhlangabeza zihlabo ngokwezinye izihlandlo, wabubhekisa ubuso bakhe entlango.

2Waphakamisa amehlo akhe uBhileham, wawabona amaSirayeli ehleli ngokwezizwe zawo, uMoya kaThixo wamfikela.

3Wasusela ngomzekeliso wakhe, wathi, Utsho uBhileham unyana kaBhehore, Itsho indoda ecinywe amehlo;

4Utsho ova ukuthetha kukaThixo, Owubonayo umbono woSomandla, Esiwa phantsi, etyhilwe amehlo.

5Azizintle ngako iintente zakho, Yakobi! Neminquba yakho, Sirayeli!

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Zitwabulukile njengezihlambo, Njengamasimi aphezu komlambo, Njengemihlàba etyelwe nguYehova, Njengemisedare ephezu kwamanzi.

7Aya kumpompoza amanzi emiphandeni yakhe, Imbewu yakhe ingasemanzini amaninzi. Ukumkani wakhe makabe ngaphezulu koAgagi, Buziphakamise ubukumkani bakhe.

8UThixo umkhupha eYiputa. Amendu akhe anjengawenqu. Uya kuzidla iintlanga, ababandezeli bakhe, Awakhukhuze amathambo abo, Abaphaluse ngeentolo zakhe.

9Waguqa, wabuthuma njengengonyama, Njengengonyamakazi; ngubani na owomvusa? Mabasikelelwe abakusikelelayo, Baqalekiswe abakuqalekisayo.

10Wavutha umsindo kaBhalaki kuBhileham, wazityhwakraza izandla zakhe, wathi uBhalaki kuBhileham, Ndikubizele ukuba uziqalekise iintshaba zam; nanku, umana ukuzisikelela ezi zihlandlo zozithathu.

11Khwelela ngokunje, uye endaweni yakho. Bendithe ndokuzukisa kakhulu; yabona uYehova ukuvimbile uzuko.

12Wathi uBhileham kuBhalaki, Bendingathethanga na nakubathunywa bakho owabathumela kum nidisithi,

13Angafanelana uBhalaki endinika indlu yakhe izele yisilivere negolide, andingekhe ndiwugqithe umlomo kaYehova, ndenze okulungileyo nokuba kokubi okuphuma entliziyweni yam; oko akuthethayo uYehova, ndiya kwenza kona.

14Kaloku yabona, ndiyahamba, ndiya ebantwini bakowethu. Yiza ndikutyele into abaya kuyenza aba bantu kubantu bakho ngemihla yokugqibela.

15Wasusela ngomzekeliso wakhe, wathi, Utsho uBhileham unyana kaBhehore, Itsho indoda ecinywe amehlo.

16Utsho ova ukuthetha kukaThixo, Wakwazi ukwazi kOsenyangweni; Obona umbono woSomandla, Esiwa phantsi, etyhilwe amehlo:

17Ndiyayibona, kungekhona ngoku, Ndiyikhangele, ingekufuphi. Inkwenkwezi iphuma kwaYakobi; Intonga ivela kwaSirayeli, Iwaphàluse amaMowabhi emacaleni omabini, Ibagòmbe bonke abengxolo;

18UEdom abe lilifa, Abe lilifa uSehire, iintshaba zakhe; USirayeli yena avelise amandla.

19Makehle ophuma kwaYakobi, Atshabalalise abaseleyo emizini.

20Wawabona ama-Amaleki, wasusela ngomzekeliso wakhe, wathi, Ingqalo yeentlanga nguAmaleki; Isiphelo sakhe sikukutshabalala.

21Wawabona amaKeni, wasusela ngomzekeliso wakhe, wathi, Liqinile ikhaya lakho; Indlu yakho imiswe eweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Kuba uKayin angátshayelwa yini na, Ade uAsiriya akuthimbe?

23Wasusela ngomzekeliso wakhe, wathi, Yeha! Azi ngubani na oya kubudla ubomi, akukumisa oko uThixo?

24Iinqanawa zivela elunxwemeni lwamaKiti. Ziyamcinezela uAsiriya, ziyamcinezela uEbhere, Naye woda atshabalale.

25Wesuka ke uBhileham wahamba, wabuyela endaweni yakhe; naye uBhalaki wahamba ngendlela yakhe.

INumeri 25

Uhenyuzo nonqulo-zithixo eShitim

1AmaSirayeli ahlala eShitim. Baqala abantu bahenyuza neentombi zakwaMowabhi.

2Zababizela abantu emibingelelweni yoothixo bazo; badla abantu, banqula oothixo bazo.

3AmaSirayeli azibandakanya ke noBhahalipehore. Wavutha umsindo kaYehova kumaSirayeli.

4Wathi uYehova kuMoses, Thabatha bonke abaziintloko zabantu, ubabethelele abanetyalaemnqamlezweni kuYehova phambi kwelanga, kubuyiswe ukuvutha komsindo kaYehova kumaSirayeli.

5Wathi uMoses kubagwebi bakwaSirayeli, Bulalani elowo abantu bakhe, abazibandakanyileyo noBhahali-pehore.

6Kwabonakala ke indoda yakoonyana bakaSirayeli, ifika isondeza kubazalwana bayo umMidiyanekazi emehlweni kaMoses, nasemehlweni ebandla lonke loonyana bakaSirayeli, ababelila emnyango wentente yokuhlangana.

7Wabona uPinehasi, unyana kaElazare, unyana ka-Aron umbingeleli, wesuka phakathi kwebandla, wathabatha umkhonto ngesandla sakhe.

8Wayilandela indoda engumSirayeli, waya egumbini, wabahlaba amahlànza bobabini, indoda engumSirayeli, nenkazana leyo esiswini sayo. Sathintelwa ke isibetho koonyana bakaSirayeli.

9Abafáyo ngesibetho baba ngamawaka amashumi amabini anamané.

10Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

11UPinehasi, unyana kaElazare, unyana ka-Aron umbingeleli, ububuyisile ubushushu bam koonyana bakaSirayeli, ekukhweleteni kwakhe njengekhwele lam phakathi kwabo, ukuze ndingabagqibi oonyana bakaSirayeli ngekhwele lam.

12Yithi ngoko, Yabona, ndimnika umnqophiso wam woxolo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

13ube ngumnqophiso wobubingeleli obungunaphakade, kuye nakwimbewu yakhe emva kwakhe, ngenxa enokuba ebenekhwele ngoThixo wakhe, wabacamagushela oonyana bakaSirayeli.

14Igama lendoda engumSirayeli, leyo yahlatywayo, yahlatywa nomMidiyanekazi, ibinguZimri unyana kaSalu, inkulu yendlu yooyise kwaSimon.

15Igama lenkazana leyo yahlatywayo ingumMidiyanekazi, belinguKozibhi, intombi kaTsure, obeyintloko yezizwe zendlu yooyise kwaMidiyan.

16Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

17Wabandezeleni amaMidiyan niwaxabele;

18ngokuba wona anibandezele ngamayelenqe awo abewenzile kuni, ngenxa yendawo kaPehore, nangenxa yendawo kaKozibhi, intombi yenkulu yakwaMidiyan, udade wabo, owahlatywa ngomhla wesibetho ngenxa yendawo kaPehore.

INumeri 26

Ubalo lwesibini lwabantu

1Kwathi emva kwesibetho eso, wathetha uYehova kuMoses nakuElazare, unyana ka-Aron umbingeleli, wathi,

2Balani inani lebandla lonke loonyana bakaSirayeli, nithabathele kominyaka imashumi mabini ezelwe, ninyuse, ngokwezindlu zooyise, bonke abaphuma umkhosi kwaSirayeli.

3UMoses noElazare umbingeleli bathetha nabo ezinkqantosini zakwaMowabhi ngaseYordan, malunga neYeriko, besithi,

4Thabathelani kominyaka imashumi mabini ezelwe, ninyuse, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses. Oonyana bakaSirayeli abaphumáyo ezweni lamaYiputa babengaba:

5kwaRubhen amazibulo kaSirayeli: oonyana bakaRubhen: nguHanoki ozala amaHanoki;

6nguPalu ozala amaPalu; nguHetseron ozala amaHetseron; nguKarmi ozala amaKarmi.

7Yiyo leyo imizalwane yamaRubhen; ababalwáyo kuyo babengamashumi amané anamathathu amawaka, anamakhulu asixhenxe, anamanci mathathu.

8Oonyana bakaPalu nguEliyabhi.

9Oonyana bakaEliyabhi nguNemuweli noDatan noAbhiram. Nguloo Datan noAbhiram babizwayo libandla, baphikisana noMoses noAron ebandleni likaKora, ekuphikisaneni kwabo noYehova;

© 1975 Bible Society of South Africa.

10waza umhlaba wawuvula umlomo wawo, wabaginya noKora ekufeni kwelo bandla, ekudleni komlilo amadoda angamakhulu omabini, anamanci mahlanu, aba ngumqondiso.

11Ke oonyana bakaKora abafanga.

12Oonyana bakaSimon ngokwemizalwane yabo: nguNemuweli ozala amaNemuweli; nguYamin ozala amaYamin;

13nguYakin ozala amaYakin; nguZera ozala amaZera; nguSawule ozala amaSawule.

14Yiyo leyo imizalwane yamaSimon: amashumi amabini anamabini amawaka, anamakhulu mabini.

15Oonyana bakaGadi ngokwemizalwane yabo: nguTsefon ozala amaTsefon; nguHagi ozala amaHagi; nguShuni ozala amaShuni;

16nguOzeni ozala amaOzeni;

17nguEri ozala amaEri; nguArodi ozala ama-Arodi; nguAreli ozala ama-Areli.

18Yiyo leyo imizalwane yoonyana bakaGadi, ngokwababalwáyo kubo: amashumi omané amawaka, anamakhulu mahlanu.

19Oonyana bakaYuda nguEre no-Onan; bafa ooEre no-Onan ezweni lakwaKanan.

20Oonyana bakaYuda ngokwemizalwane yabo babengaba: nguShela ozala amaShela; nguPeretse ozala amaPeretse; nguZera ozala amaZera.

21Oonyana bakaPeretse babengaba: nguHetseron ozala amaHetseron; nguHamuli ozala amaHamuli.

22Yiyo leyo imizalwane yakwaYuda, ngokwababalwáyo kubo: amashumi asixhenxe anamathandathu amawaka, anamakhulu mahlanu.

23Oonyana bakaIsakare ngokwemizalwane yabo; nguTola ozala amaTola;

24nguPuwa ozala amaPuwa; nguYashubhi ozala amaYashubhi; nguShimron ozala amaShimron.

25Yiyo leyo imizalwane yakwaIsakare, ngokwababalwáyo kubo: amashumi amathandathu anamané amawaka, anamakhulu mathathu.

26Oonyana bakaZebhulon ngokwemizalwane yabo; nguSerede ozala amaSerede; nguElon ozala amaElon; nguYaleli ozala amaYaleli.

27Yiyo leyo imizalwane yamaZebhulon, ngokwababalwáyo kubo: amashumi amathandathu amawaka, anamakhulu mahlanu.

28Oonyana bakaYosefu ngokwemizalwane yabo nguManase noEfrayim.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Oonyana bakaManase: nguMakire ozala amaMakire; uMakire wazala uGiliyadi; nguGiliyadi ozala amaGiliyadi.

30Ngabo aba oonyana bakaGiliyadi: nguIyezere ozala amaIyezere; nguHeleki ozala amaHeleki;

31nguAseriyeli ozala ama-Aseriyeli; nguShekem ozala amaShekem;

32nguShemida ozala amaShemida; nguHefere ozala amaHefere.

33Ke uTselofehadi, unyana kaHefere, ebengenanyana; waye eneentombi zodwa. Amagama eentombi zikaTselofehadi nguMala, noNoha, noHogela, noMilka, noTirtsa.

34Yiyo leyo imizalwane yakwaManase, ngokwababalwáyo kubo: amashumi amahlanu anamabini amawaka, anamakhulu asixhenxe.

35Ngabo aba oonyana bakaEfrayim ngokwemizalwane yabo: nguShutela ozala amaShutela; nguBhekere ozala amaBhekere; nguTahan ozala amaTahan.

36Ngabo aba oonyana bakaShutela: nguEran ozala amaEran.

37Yiyo leyo imizalwane yoonyana bakaEfrayim, ngokwababalwáyo kubo; amashumi omathathu anamabini amawaka, anamakhulu mahlanu. Ngabo abo oonyana bakaYosefu ngokwemizalwane yabo.

38Oonyana bakaBhenjamin ngokwemizalwane yabo; nguBhela ozala amaBhela; nguAshebhele ozala ama-Ashebhele; nguAhiram ozala ama-Ahiram;

39nguShefufam ozala amaShefufam; nguHufam ozala amaHufam.

40Oonyana bakaBhela nguArdi noNahaman; nguArdi ozala ama-Ardi; nguNahaman ozala amaNahaman.

41Ngabo abo oonyana bakaBhenjamin ngokwemizalwane yabo; ababalwáyo kubo ngamashumi amané anamahlanu amawaka, anamakhulu mathandathu.

42Ngabo aba oonyana bakaDan ngokwemizalwane yabo; nguShuham ozala amaShuham. Yiyo leyo imizalwane yakwaDan ngokwemizalwane yabo.

43Yonke imizalwane yamaShuham, ngokwababalwáyo kubo, ngamashumi omathandathu anamané amawaka, anamakhulu mané.

44Oonyana baka-Ashere ngokwemizalwane yabo: nguImna ozala amaImna; nguIshwi ozala amaIshwi; nguBheriya ozala amaBheriya.

45Koonyana bakaBheriya: nguHebhere ozala amaHebhere; nguMalekiyeli ozala amaMalekiyeli.

46Igama lentombi ka-Ashere nguSara.

47Yiyo leyo imizalwane yoonyana baka-Ashere, ngokwababalwáyo kubo: ngamashumi omahlanu anamathathu amawaka, anamakhulu mané.

© 1975 Bible Society of South Africa.

48Oonyana bakaNafetali ngokwemizalwane yabo: nguGatseli ozala amaGatseli; nguGuni ozala amaGuni;

49nguYetsere ozala amaYetsere; nguShilem ozala amaShilem.

50Yiyo leyo imizalwane yakwaNafetali ngokwemizalwane yabo; ababaliweyo kubo ngamashumi omané anamahlanu amawaka, anamakhulu mané.

51Ngabo abo ababalwáyo koonyana bakaSirayeli: ngamakhulu omathandathu amawaka anawaka-nye, anamakhulu asixhenxe, anamanci mathathu.

52Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

53Malabelwe ezo zizwe ilizwe, libe lilifa lazo ngenani lamagama.

54Esininzi wolenza lininzi ilifa laso, esincinane wolenza lincinane ilifa laso; eso sinìkwe ilifa ngokwababalwáyo kuso.

55Kodwa ilizwe malabiwe ngeqashiso, balidle ilifa ngokwamagama ezizwe zooyise; labiwe ilifa lazo ngokweqashiso,

56phakathi kwesininzi nesincinane.

57Ngabo aba ababalwáyo kubaLevi ngokwemizalwane yabo; nguGershon ozala amaGershon; nguKehati ozala amaKehati; nguMerari ozala amaMerari.

58Yiyo le imizalwane yabaLevi: ngumzalwane wamaLibheni, ngumzalwane wamaHebron, ngumzalwane wamaMaheli, ngumzalwane wamaMushi, ngumzalwane wamaKora. UKehati wazala uAmram.

59Igama lomka-Amram nguYokebhede, intombi kaLevi, eyazalelwa uLevi eYiputa; yamzalela uAmram ooAron noMoses, noMiriyam udade wabo.

60UAron wazalelwa uNadabhi, noAbhihu, noElazare, noItamare.

61Bafa ooNadabhi noAbhihu ekusondezeni kwabo umlilo ongesesikweni phambi koYehova.

62Ababalwáyo kubo baba ngamashumi omabini anamathathu amawaka, yonke into eyindoda, bethabathela kumntwana onyanga-nye benyusa; kuba bebengabalwanga phakathi koonyana bakaSirayeli; ngokuba bebengenalifa phakathi koonyana bakaSirayeli.

63Ngabo abo babalwáyo nguMoses noElazare umbingeleli, ababebabala oonyana bakaSirayeli ezinkqantosini zakwaMowabhi ngaseYordan, malunga neYeriko.

64Ke kwabo kube kungasekho mntu wababebalwe ngooMoses noAron umbingeleli, abababaláyo oonyana bakaSirayeli entlango yeSinayi.

65Ngokuba uYehova ebethe kubo, Mabafele bona entlango kanye. Akwasala namnye ke kubo, ingenguKalebhi unyana kaYefune, noYoshuwa unyana kaNun.

© 1975 Bible Society of South Africa.

INumeri 27

Ilungelo leentombi lokuba zidle ilifa

1Zasondela iintombi zikaTselofehadi, unyana kaHefere, unyana kaGiliyadi, unyana kaMakire, unyana kaManase, zomzalwane kaManase, unyana kaYosefu. Ngawo ke la amagama eentombi zakhe ezo: uMala, noNoha, noHogela, noMilka, noTirtsa.

2Zema phambi koMoses naphambi koElazare umbingeleli, naphambi kwezikhulu zebandla lonke emnyango wentente yokuhlangana, zathi,

3Ubawo wafela entlango; yena wayengekho phakathi kwebandla labahlanganáyo ngoYehova ebandleni likaKora; ngokuba wafa ngesakhe isono, engabanga nanyana.

4Yini na ke ukuba igama likabawo licinywe phakathi kwemizalwane yakhe, kuba engenanyana? Sinike ilifa phakathi kwabazalwana bakabawo.

5UMoses wasibeka isimangalo sazo phambi koYehova.

6Wathetha uYehova kuMoses wathi,

7Iintombi zikaTselofehadi zilungisile ukuthetha; wòzinika ilifa phakathi kwabazalwana bakayise, ulihambisele kuzo ilifa likayise;

8uthèthe koonyana bakaSirayeli, uthi, Xa ithe yafa indoda, ingenanyana, nòlihambisela ilifa layo kwintombi yayo.

9Ke ukuba ithe ayaba nantombi, nolinika abazalwana bayo ilifa layo.

10Ukuba ithe ayaba nabazalwana, nolinika abazalwana bakayise ilifa layo.

11Ukuba uyise uthe akaba nabazalwana, ilifa layo nolinika umzalwana wayo okufuphi kuyo emizalwaneni yayo, alidle ilifa. Woba ngummiselo ke wokugweba lowo koonyana bakaSirayeli, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

UYoshuwa ugosiswa esikhundleni sikaMoses

12Wathi uYehova kuMoses, Nyuka uye kule ntaba yeAbharim, ulikhangele ilizwe endilinike oonyana bakaSirayeli,

13ulikhangele; uhlanganiselwe kwabakowenu nawe, njengokuba wahlanganiselwayo kubo uAron, umkhuluwa wakho;

14njengokuba nawuphikisayo umlomo wam entlango yeTsin, embambanweni yebandla, endaweni yokundingcwalisa emanzini emehlweni abo. Lawo ngamanzi embambano aseKadeshe, entlango yeTsin.

15Wathetha uMoses kuYehova, esithi,

16UYehova, uThixo woomoya benyama yonke, makamise indoda yokuvelela ibandla;

17eya kuphuma phambi kwabo, ingene phambi kwabo, ibakhuphe, ibangenise; lingabi njengezimvu ezingenamalusi ibandla likaYehova.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

18Wathi uYehova kuMoses, Zithabathele uYoshuwa, unyana kaNun, indoda okuyo umoya, ucinezele ngesandla sakho phezu kwakhe,

19ummise phambi koElazare umbingeleli, naphambi kwebandla lonke, umwisele umthetho emehlweni abo;

20uthabathe kwindili yakho, ubeke phezu kwakhe, ukuze limve lonke ibandla loonyana bakaSirayeli.

21Maze eme phambi koElazare umbingeleli, yena ambuzele ukugweba kweeUrim phambi koYehova, baphume ngokomlomo wakhe, bangene ngokomlomo wakhe, yena noonyana bonke bakaSirayeli ndawonye naye, nebandla lonke.

22Wenza ke uMoses njengoko uYehova wamwiselayo umthetho. Wamthabatha uYoshuwa, wammisa phambi koElazare umbingeleli, naphambi kwebandla lonke;

23wacinezela ngezandla zakhe phezu kwakhe, wamwisela umthetho, njengoko uYehova wathethayo ngoMoses.

INumeri 28

Imithetho malunga namadini nemithendeleko

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Bawisele umthetho oonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Umsondezo wam, isonka sam sokudla kwasemlilweni, ivumba elithozamisayo kum, nòkugcina ukuwusondeza kum ngexesha lawo elimisiweyo.

3Uze uthi kubo, Kuko oku ukudla kwasemlilweni enòkusondeza kuYehova: iimvana ezimbini ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo, zemini ngemini, zedini elinyukayo lamaxesha onke;

4enye imvana woyenza kusasa, eyesibini uyenze lakutshona ilanga;

5nesahlulo seshumi se-efa somgubo ocoliweyo woba ngumnikelo wokudla, ugalelwe ioli engqushiweyo, esisahlulo sesiné sehin.

6Lidini elinyukayo lamaxesha onke, elamiselwa entabeni yeSinayi ukuba libe livumba elithozamisayo, ukudla kwasemlilweni ke oko kuYehova;

7nomnikelo walo othululwayo woba sisahlulo sesiné sehin kwimvana yokuqala. Wowuthululela engcweleni umnikelo othululwayo, usisiselo esinamandla kuYehova.

8Eyesibini imvana woyenza lakutshona ilanga. Woyenza ngokomnikelo wokudla wakusasa, nangokomnikelo walo othululwayo, ukudla kwasemlilweni ivumba elithozamisayo ke elo kuYehova.

9Ke ngomhla wesabatha, nosondeza iimvana ezimbini ezimnyaka mnye, ezigqibeleleyo, nezahlulo zeshumi zibe zibini zomgubo ocoliweyo, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwe ioli, nomnikelo walo othululwayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Lidini elinyukayo ke elo lesabatha ngesabatha, ndawonye nedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo othululwayo.

11Ekuthwaseni kweenyanga zenu nosondeza kuYehova idini elinyukayo, iinkunzi ezintsha zibe mbini, amathole eenkomo, nenkunzi yemvu ibe nye, neemvana ezigqibeleleyo ezimnyaka mnye zibe sixhenxe;

12nezahlulo zeshumi zomgubo ocoliweyo zibe zithathu, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwé ioli, kuyo inkunzi entsha enye yenkomo;

13nezahlulo zeshumi zomgubo ocoliweyo zibe zibini, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwé ioli, kuyo inkunzi enye yemvu; nesahlulo seshumi somgubo ocoliweyo ngasinye, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwé ioli, kuyo imvana enye. Lidini elinyukayo, livumba elithozamisayo, kukudla kwasemlilweni ke oko kuYehova;

14neminikelo yazo ethululwayo yoba sisiqingatha sehin kuyo inkunzi entsha yenkomo, nesahlulo sesithathu sehin kuyo inkunzi yemvu, nesahlulo sesiné sehin yewayini kwimvana. Lilo elo idini elinyukayo lenyanga ngenyanga ezinyangeni zomnyaka.

15Nenkunzi yebhokhwe exhonti yoba nye, ibe lidini lesono kuYehova; nolenza ndawonye nedini elinyukayo lamaxesha onke nomnikelo walo othululwayo.

16Ngenyanga yokuqala, ngosuku lweshumi elinesiné enyangeni leyo, yipasika kuYehova.

17Ngomhla weshumi elinesihlanu waloo nyanga ngumthendeleko. Iintsuku ezisixhenxe kodliwa izonka ezingenagwele.

18Ngomhla wokuqala kobakho intlanganiso engcwele. Ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

19Nosondeza ukudla kwasemlilweni, idini elinyukayo kuYehova: iinkunzi ezintsha zibe mbini, amathole eenkomo; nenkunzi yemvu ibe nye; neemvana ezimnyaka mnye, zibe sixhenxe; zoba zezigqibeleleyo kuni.

20Nowenza umnikelo wazo wokudla womgubo ocoliweyo, ugalelwé ioli, izahlulo zeshumi zibe zithathu kuyo inkunzi entsha yenkomo, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu.

21Wosenza isahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana enye, kuzo iimvana ezisixhenxe.

22Nenkunzi yebhokhwe yoba nye, ibe lidini lesono lokunicamagushela nina.

23Nowenza wona ngaphandle kwedini elinyukayo lakusasa, elileledini elinyukayo lamaxesha onke.

24Niya kwenjenjalo imihla yonke, ngaloo mihla isixhenxe, isonka sokudla kwasemlilweni, ivumba elithozamisayo kuYehova, nenze ndawonye nedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo othululwayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Ngomhla wesixhenxe kobakho intlanganiso engcwele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

26Ngomhla wokushwama, ekuwusondezeni kwenu umnikelo wokudla okutsha kuYehova, emthendelekweni wenu weeveki, kobakho intlanganiso engcwele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

27Nosondeza idini elinyukayo libe livumba elithozamisayo kuYehova: iinkunzi ezintsha zibe mbini, amathole eenkomo; nenkunzi yemvu ibe nye;

28neemvana ezimnyaka mnye zibe sixhenxe; nomnikelo wazo wokudla womgubo ocoliweyo, ugalelwé ioli, izahlulo zeshumi zibe zithathu kuyo inkunzi entsha yenkomo inye, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu inye,

29nesahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana enye, kuzo iimvana ezisixhenxe.

30Nenkunzi yebhokhwe exhonti yoba nye, yokunicamagushela.

31Ezo nto nòzenza ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla (zoba zezigqibeleleyo kuni), neminikelo yazo ethululwayo.

INumeri 29

Iintlanganiso ezingcwele kwinyanga yesixhenxe

1Ngenyanga yesixhenxe, ngolokuqala enyangeni leyo, kobakho intlanganiso engcwele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukhonza. Yoba ngumhla wokumema ngezigodlo kuni.

2Ize nenze idini elinyukayo, libe livumba elithozamisayo kuYehova; ibe nye inkunzi entsha, ithole lenkomo, nenkunzi yemvu ibe nye, neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo, zibe sixhenxe;

3nomnikelo wazo wokudla womgubo ocoliweyo, ugalelwé ioli, izahlulo zeshumi zibe zithathu kuyo inkunzi entsha yenkomo, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu,

4nesahlulo seshumi sibe sinye kuyo imvana enye, kuzo iimvana ezisixhenxe;

5nenkunzi yebhokhwe exhonti ibe nye, ibe lidini lesono lokunicamagushela:

6ngaphandle kwedini elinyukayo lenyanga, nomnikelo walo wokudla, nedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, neminikelo yawo ethululwayo, ngokwesiko lawo; libe livumba elithozamisayo, ukudla, kwasemlilweni ke oko kuYehova.

7Ngolweshumi lwaloo nyanga yesixhenxe, kobakho intlanganiso engcwele kuni, niyithobe imiphefumlo yenu. Ize ningenzi msebenzi wakukhonza;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8nosondeza idini elinyukayo kuYehova, ivumba elithozamisayo; ibe nye inkunzi entsha, ithole lenkomo; nenkunzi yemvu ibe nye; neemvana ezimnyaka mnye zibe sixhenxe; zoba zezigqibeleleyo kuni;

9nomnikelo wazo wokudla womgubo ocoliweyo, ugalelwé ioli, izahlulo zeshumi zibe zithathu kuyo inkunzi entsha yenkomo, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu inye,

10nesahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana inye, kuzo iimvana ezisixhenxe;

11nenkunzi yebhokhwe exhonti ibe nye, ibe lidini lesono: ngaphandle kwedini lesono lokucamagusha, nedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwaneminikelo yawo ethululwayo.

12Ngosuku lweshumi elinesihlanu lwenyanga yesixhenxe, kobakho intlanganiso engcwele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukhonza. Niya kwenza umthendeleko kuYehova iintsuku ezisixhenxe.

13Nize nisondeze idini elinyukayo, ukudla kwasemlilweni, ivumba elithozamisayo kuYehova: zibe lishumi elinantathu iinkunzi ezintsha, amathole eenkomo; neenkunzi zezimvu zibe mbini; neemvana ezimnyaka mnye zibe lishumi elinané; zoba zezigqibeleleyo;

14nomnikelo wazo wokudla womgubo ocoliweyo, ugalelwé ioli, izahlulo zeshumi zibe zithathu kuyo inkunzi entsha yenkomo inye, kuzo iinkunzi ezintsha zeenkomo ezilishumi elinantathu, nezahlulo zeshumi zibe zibini kwinkunzi yemvu inye, kuzo iinkunzi zezimvu ezimbini,

15nesahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana inye kuzo iimvana ezilishumi elinané;

16nenkunzi yebhokhwe exhonti ibe nye, ibe lidini lesono; ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo othululwayo.

17Ngosuku lwesibini nosondeza zibe lishumi elinambini iinkunzi ezintsha, amathole eenkomo; neenkunzi zezimvu zibe mbini; neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo, zibe lishumi elinané;

18nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo ethululwayo, kuzo iinkunzi ezintsha zeenkomo, nakuzo iinkunzi zezimvu, nakuzo iimvana, ngangenani lazo ngokwesiko;

19nenkunzi yebhokhwe exhonti ibe nye, ibe lidini lesono; ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwaneminikelo yazo ethululwayo.

20Ngosuku lwesithathu nosondeza iiknunzi ezintsha zeenkomo zibe lishumi elinanye; neenkunzi zezimvu zibe mbini; neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinané;

© 1975 Bible Society of South Africa.

21nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo ethululwayo, kuzo iinkunzi ezintsha zeenkomo, nakuzo iinkunzi zezimvu, nakuzo iimvana, ngangenani lazo, ngokwesiko;

22nenkunzi yebhokhwe ibe nye, ibe lidini lesono: ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo othululwayo.

23Ngosuku lwesiné nosondeza iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe lishumi, neenkunzi zezimvu zibe mbini, neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinané;

24nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo ethululwayo, kuzo iinkunzi ezintsha zeenkomo, nakuzo iinkunzi zezimvu, nakuzo iimvana, ngangenani lazo, ngokwesiko;

25nenkunzi yebhokhwe exhonti ibe nye; ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo othululwayo.

26Ngosuku lwesihlanu nosondeza iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe sithoba, neenkunzi zezimvu zibe mbini, neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinané;

27nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo ethululwayo, kuzo iinkunzi ezintsha zeenkomo, nakuzo iinkunzi zezimvu, nakuzo iimvana, ngangenani lazo, ngokwesiko;

28nenkunzi yebhokhwe ibe nye, ibe lidini lesono; ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo othululwayo.

29Ngosuku lwesithandathu nosondeza iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe sibhozo; neenkunzi zezimvu zibe mbini; neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinané;

30nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo ethululwayo, kuzo iinkunzi ezintsha zeenkomo, nakuzo iinkunzi zezimvu, nakuzo iimvana, ngangenani lazo, ngokwesiko;

31nenkunzi yebhokhwe ibe nye, ibe lidini lesono; ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo othululwayo.

32Ngosuku lwesixhenxe nosondeza iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe sixhenxe; neenkunzi zezimvu zibe mbini; neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinané;

33nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo ethululwayo, kuzo iinkunzi ezintsha zeenkomo, nakuzo iinkunzi zezimvu, nakuzo iimvana, ngangenani lazo, ngokwesiko lazo;

34nenkunzi yebhokhwe ibe nye, ibe lidini lesono: ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo othululwayo.

35Ngosuku lwesibhozo yoba yingqungquthela kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Nosondeza idini elinyukayo, ukudla kwasemlilweni, ivumba elithozamisayo kuYehova; inkunzi entsha yenkomo ibe nye; nenkunzi yemvu ibe nye; neemvana ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo zibe sixhenxe;

37nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo ethululwayo, kuyo inkunzi entsha yenkomo, nakuyo inkunzi yemvu, nakuzo iimvana, ngangenani lazo, ngokwesiko;

38nenkunzi yebhokhwe ibe nye, ibe lidini lesono: ngaphandle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo othululwayo.

39Loo madini nowenza kuYehova ngamaxesha enu amisiweyo, ngaphandle kwezibhambathiso zenu, nemibingelelo yenu yokuqhutywa yintliziyo, emadinini enu anyukayo, naseminikelweni yenu yokudla, naseminikelweni yenu ethululwayo, nasemibingelelweni yenu yoxolo.

40UMoses wabaxelela oonyana bakaSirayeli ngokwezinto zonke, uYehova abemwisele umthetho ngazo uMoses.

INumeri 30

Imithetho malunga nezibhambathiso

1Wathetha uMoses kwiintloko zezizwe zoonyana bakaSirayeli, esithi, Lilo eli ilizwi awise umthetho ngalo uYehova:

2Xa athe umntu wabhambathisa isibhambathiso kuYehova, nokuba ufunge isifungo sokuwubopha umphefumlo wakhe ngokuzikhanyeza, makangalihlambeli ilizwi lakhe; makenze ngokwento yonke ephume emlonyeni wakhe.

3Xa ithe inkazana yabhambathisa isibhambathiso kuYehova, nokuba ithe yazibopha ngokuzikhanyeza, isendlwini kayise, isebuncinaneni bayo;

4wasiva uyise isibhambathiso sayo nokuzikhanyeza kwayo, ebophe ngako umphefumlo wayo, wathi cwaka uyise kuyo: mazime zonke izibhambathiso zayo; nokuzikhanyeza kwayo konke, ebophe umphefumlo wayo ngako, makume.

5Ukuba uthe uyise wayithiba ngomhla wokuziva kwakhe izibhambathiso zayo zonke, nokuzikhanyeza kwayo, ebophe umphefumlo wayo ngako, akuyi kuma; uYehova woyixolela, ngokuba eyithibile uyise.

6Ke ukuba ithe yenda inesibhambathiso, nokuba inokuphololoza komlomo wayo, ebophe umphefumlo wayo ngako, yeva indoda,

7yathi cwaka kuyo ngomhla wokuva kwayo, mazime izibhambathiso zayo; nokuzikhanyeza kwayo, ebophe umphefumlo wayo ngako, makume.

8Ukuba indoda yayo ithe yayithiba ngomhla wokuva kwayo, yasaphula isibhambathiso sayo esiphezu kwayo, nokuphololoza komlomo wayo, ebophe umphefumlo wayo ngako: uYehova woyixolela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Isibhambathiso somhlolokazi nesowaliweyo, yonke into abophe umphefumlo wakhe ngayo, mayime phezu kwakhe.

10Ukuba umfazi uthe wenza isibhambathiso esendlwini yendoda yakhe, nokuba uthe wabopha umphefumlo wakhe ngokuzikhanyeza ngesifungo,

11yeva indoda yakhe, yathi cwaka kuye, ayamthiba, mazime zonke izibhambathiso zakhe; makume ukuzikhanyeza kwakhe, abophe ngako umphefumlo wakhe.

12Ukuba ithe indoda yakhe yakwaphula mpela ngomhla wokuva kwayo, yonke into ephume emlonyeni wakhe ngezibhambathiso zakhe, nangokuzikhanyeza komphefumlo wakhe, mayingemi; indoda yakhe iyaphúle, uYehova womxolela.

13Zonke izibhambathiso, nezifungo zonke zokuzikhanyeza, zokuthoba umphefumlo, indoda yakhe ingázimisa, indoda yakhe ingázaphula.

14Ukuba indoda yakhe ithe cwaka, yathi tu kuye imihla ngemihla, iyazimisa zonke izibhambathiso zakhe, nokuzikhanyeza kwakhe konke okuphezu kwakhe iya kukumisa; ngokuba yathi cwaka kuye ngomhla wokuva kwayo.

15Ukuba ithe yakwaphula mpela emva kokuva kwayo, yobuthwala ubugwenxa bakhe.

16Yiyo leyo imimiselo, uYehova awamwisela umthetho ngayo uMoses, phakathi kwendoda nomkayo, phakathi koyise nentombi yakhe, isebuncinaneni bayo, isendlwini kayise.

INumeri 31

Ukubhujiswa kwamaMidiyan

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

2Baphindezele kumaMidiyan oonyana bakaSirayeli, ngento awayenza kubo; emveni koko wòhlanganiselwa ebantwini bakowenu.

3Wathetha ke uMoses ebantwini, esithi, Makuxhobe amadoda kuni, aphume umkhosi aye kumaMidiyan, enze impindezelo kaYehova kumaMidiyan;

4iwaka esizweni, iwaka esizweni, ezizweni zonke zakwaSirayeli, nòwathuma aphume umkhosi.

5Kwakhutshwa ke emawakeni akwaSirayeli iwaka esizweni, iwaka esizweni, alishumi elinamabini amawaka, exhobele ukuphuma umkhosi.

6Wawathuma uMoses, yaliwaka esizweni, ukuba aphume umkhosi; wona enoPinehasi, unyana kaElazare umbingeleli, aphume umkhosi eneempahla ezingcwele, namaxilongo okuhlaba umkhosi esandleni sakhe.

7Aphuma ke umkhosi, aya kumaMidiyan, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses, ayibulala yonke into eyindoda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ababulala ookumkani bamaMidiyan ndawonye nababuleweyo babo, uEvi, noRekem, noTsure, noHure, noRebha, ookumkani abahlanu bamaMidiyan; noBhileham, unyana kaBhehore, ambulala ngekrele.

9Oonyana bakaSirayeli babathimba abafazi bakwaMidiyan, neentsapho zabo; namaqegu abo onke, nemfuyo yabo yonke, nobutyebi babo bonke babuphanga.

10Bayitshisa ngomlilo imizi yabo yonke ezindaweni zokuhlala kwabo, neengqili zabo zonke;

11bawathabatha onke amaxhoba nezinto zonke eziphangiweyo, awabantu naweenkomo.

12Babazisa abathinjiweyo, namaxhoba, nempahla ephangiweyo, kuMoses nakuElazare umbingeleli, nakwibandla loonyana bakaSirayeli eminqubeni, ezinkqantosini zakwaMowabhi, ezingaseYordan malunga neYeriko.

13Baphuma ooMoses noElazare umbingeleli nezikhulu zonke zebandla, baya kubakhawulela ngaphandle kweminquba.

14UMoses wanoburhalarhume kubo abaveleli bomkhosi, abathetheli-waka nabathetheli-khulu, ababevela emkhosini waloo mfazwe.

15Wathi uMoses kubo, Niwasindisile na onke amankazana?

16Yabonani, ngawo la áthi ngelizwi likaBhileham amenezisa oonyana bakaSirayeli kuYehova ngenxa kaPehore, kwabakho isibetho ebandleni likaYehova.

17Yibulaleni ngoko yonke into eyindoda ezintsatsheni; namankazana onke ayazileyo indoda ngokulala nayo wabulaleni.

18Ke zonke iintsapho emankazaneni ezingalalanga nandoda, zisindiseni.

19Ke nina misani iintente ngaphandle kweminquba iintsuku ezisixhenxe. Bonke ababulele umntu, bonke abachukumise obuleweyo, nòzihlambulula isono ngomhla wesithathu nangomhla wesixhenxe, nina nabo nibathimbileyo.

20Neengubo zonke, neempahla zonke zezikhumba, neento zonke ezenziwe ngoboya bebhokhwe, neempahla zonke zomthi, nòzihlambulula.

21Wathi uElazare umbingeleli kumadoda omkhosi abeye kuloo mfazwe, Nguwo lowo ummiselo womyalelo uYehova ammiseleyo uMoses.

22Kodwa igolide, nesilivere, nobhedu, nesinyithi, netin, nelothe,

23yonke into enokumelana nomlilo, noyicandisa emlilweni, ihlambuluke, kodwa ke ihlanjululwe ngamanzi okuhlamba ukungcola. Ke yonke into engenako ukumelana nomlilo, noyicandisa emanzini.

24Ize nihlambe iingubo zenu ngomhla wesixhenxe; nohlambuluka ke, ningene emveni koko eminqubeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Wathetha uYehova kuMoses, wathi,

26Bala inani lamaxhoba athinjiweyo, awabantu naweenkomo, wena noElazare umbingeleli, neentloko zezindlu zooyise zebandla.

27Uze uwahlule kubini amaxhoba, phakathi kwabayilwileyo imfazwe baphuma umkhosi, nebandla lonke:

28urhumele uYehova inani kumadoda okulwa aphumé umkhosi, umphefumlo ube mnye emakhulwini amahlanu, kubo abantu, nakuzo iinkomo, nakuwo amaesile, nakuyo impahla emfutshane.

29Nothabatha esiqingatheni sabo, unike uElazare umbingeleli, ibe ngumrhumo kaYehova.

30Esiqingatheni soonyana bakaSirayeli wothabatha ibe nye, ekhethiweyo emashumini amahlanu kubo abantu, nakuzo iinkomo, nakuwo amaesile, nakuyo impahla emfutshane, nakuwo amaqegu onke, unike abaLevi abagcina isigxina somnquba kaYehova.

31Wenza ke uMoses noElazare umbingeleli njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

32Ke amaxhoba, amasalela ezinto eziphangiweyo, ababeziphangile abantu bomkhosi, aba ngamakhulu omathandathu amawaka, anamanci asixhenxe amawaka, anesihlanu samawaka empahla emfutshane;

33ngamashumi osixhenxe amawaka, anesibini samawaka eenkomo;

34ngamashumi omathandathu amawaka, anawaka-nye amaesile;

35neziqu zabantu emankazaneni angalalanga nandoda, zonke iziqu ngamashumi omathathu anesibini samawaka.

36Isiqingatha, isabelo sabaphuma umkhosi ngokwenani, saba yimpahla emfutshane engamakhulu omathathu amawaka, anamanci mathathu amawaka, anesixhenxe samawaka, anamakhulu mahlanu;

37inani likaYehova empahleni emfutshane, ngamakhulu omathandathu, anamanci asixhenxe anantlanu.

38Iinkomo, ngamashumi omathathu amawaka, anesithandathu samawaka; kuzo, inani likaYehova ngamashumi osixhenxe anambini.

39Amaesile, ngamashumi omathandathu amawaka, anamakhulu omahlanu; kuwo, inani likaYehova ngamashumi omathandathu ananye.

40Iziqu zabantu, lishumi elinesithandathu lamawaka; kuzo, inani likaYehova, iziqu zabantu, ngamashumi omathathu anazibini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

41UMoses inani elo walinika uElazare umbingeleli, ukuba libe ngumrhumo kaYehova,
njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

42Isiqingatha soonyana bakaSirayeli, awasahlulayo uMoses kweyamadoda abephume
umkhosi,

43isiqingatha esisesebandla, empahleni emfutshane, saba ngamakhulu omathathu
amawaka, anamanci mathathu amawaka, anesixhenxe samawaka, anamakhulu
mahlanu.

44Iinkomo, ngamashumi omathathu amawaka, anesithandathu samawaka;

45amaesile, ngamashumi omathathu amawaka, anamakhulu mahlanu;

46iziqu zabantu, lishumi elinesithandathu lamawaka.

47Wacaphula uMoses esiqingatheni soonyana bakaSirayeli into ekhethiweyo, yanye
emashumini omahlanu ebantwini, nasezinkomeni, wazinika abaLevi, abagcina
isigxina somnquba kaYehova, njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses.

48Basondela kuMoses abaveleli ababengabamawaka omkhosi, abathetheli-waka
nabathetheli-khulu,

49bathi kuMoses, Abakhonzi bakho balibalile inani lamadoda okulwa, abesezandleni
zethu; akukho nanye indoda engekhoyo kuthi.

50Sisondezé umsondezo kaYehova, elowo ngokufumana kwakhe, impahla yegolide
imixhaka, nezacholo, nemisesane yokutywina, namajikazi, nezidanga, ukuba
siyicamagushele imiphefumlo yethu phambi koYehova.

51Wayithabatha uMoses noElazare umbingeleli igolide kubo, yonke impahla
esetyenziweyo.

52Yonke igolide yomrhumo ababeyirhumele uYehova yaba zishekele ezilishumi
elinesithandathu lamawaka, anamakhulu osixhenxe, anamanci mahlanu, evela
kubathetheli-waka, evela kubathethelikhulu.

53Wona amadoda abephume umkhosi abezithimbele.

54Wayithabatha uMoses noElazare umbingeleli igolide kubathetheli-waka
nakubathethelikhulu, bayingenisa ententeni yokuhlangana. Yaba sisikhumbuzo
soonyana bakaSirayeli phambi koYehova.

INumeri 32

URhubhen noGadi bavunyelwa ukuba bahlale ngasempumalanga kweYordan

1Oonyana bakaRubhen noonyana bakaGadi baye benemfuyo eninzi, inkulu kunene.
Balibona ilizwe laseYazere nelizwe laseGiliyadi, nantso loo ndawo iyindawo yemfuyo.

2Beza oonyana bakaGadi noonyana bakaRubhen, bathetha kuMoses nakuElazare
umbingeleli, nakwizikhulu zebandla, bathi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

3IAtaroti, neDibhon, neYazare, neNimra, neHeshbhon, ne-Elale, neSebham, neNebho, neBhehon,

4ilizwe awalibethayo uYehova phambi kwebandla lakwaSirayeli, lilizwe lemfuyo; ke abakhonzi bakho banemfuyo.

5Bathi, Ukuba usibabále, abakhonzi bakho mabanikwe elo zwe, ukuba libe lelabo; ungasiwezi iYordan.

6Wathi uMoses koonyana bakaGadi noonyana bakaRubhen, Bayè emfazweni abazalwana benu, nihlale apha na nina?

7Yini na ukuba nizityhafise iintliziyo zoonyana bakaSirayeli, ukuba bangaweleli ezweni abanika lona uYehova?

8Benjenjalo ooyihlo ekubasuseni kwam eKadeshe-bharneha, ukuba balikhangele ilizwe.

9-11Benyuka bada baya esihlanjeni sakwaEshkoli, balibona ilizwe, bazityhafisa iintliziyo zoonyana bakaSirayeli, ukuba bangàyi ezweni abanikáyo uYehova. Wavutha umsindo kaYehova ngaloo mhla, wafunga, wathi, Ndobona ukuba okha awubone amadoda anyukáyo eYiputa, athabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe enyusa, umhlaba endawufungela uAbraham noIsake noYakobi, kuba engakuzalisanga ukundilandela;

12ingenguKalebhi unyana kaYefune, umKenazi, noYoshuwa, unyana kaNun; ngokuba bekuzalisile ukumlandela uYehova bona.

13Wavutha umsindo kaYehova kumaSirayeli, wawabhadulisa entlango iminyaka emashumi mané, sada sagqitywa sonke isizukulwana, esaye senze ububi emehlweni kaYehova.

14Nanku nisuke nema esikhundleni sooyihlo, nikukwanda kwamadoda awonayo, ukongeza ngakumbi ekuvutheni komsindo kaYehova kwaSirayeli.

15Xa nithe nabuya ekumlandeleni, wophinda kanjalo abasalise entlango nibonákalise ke aba bantu bonke.

16Basondela kuye bathi, Izibaya zempahla emfutshane siya kuzibiyela imfuyo yethu apha, imizi siyakhele usapho lwethu.

17Ke thina siya kukhawuleza sixhobe, sihambe phambi koonyana bakaSirayeli, side sibasé endaweni yabo; usapho lwethu luhlale emizini enqatyisiweyo, ngenxa yabemi balo ilizwe.

18Asiyi kubuyela ezindlwini zethu, bade oonyana bakaSirayeli balizuze ilifa, elowo ilifa lakhe.

19Kuba asiyi kudla lifa nabo phesheya kweYordan nangaphaya, xa ilifa lethu silizuzé nganeno kweYordan ngasempumalanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Wathi uMoses kubo, Ukuba nithe nalenza elo lizwi, ukuba nithe naxhobela imfazwe phambi koYehova,

21bayiwela iYordan bonke abaxhobileyo kuni, behamba phambi koYehova, bada bazigqogqa iintshaba zabo phambi kwabo, leyiswa ilizwe phambi koYehova,

22nabuya emveni koko: noba msulwa ke kuYehova nakuSirayeli, eli lizwe libe lelenu phambi koYehova.

23Ke ukuba anithanga nenjenjalo, yabonani, noba nonile kuYehova, nazi ukuba isono senu siya kunifumana.

24Zakheleni imizi iintsapho zenu, nezibaya zempahla yenu emfutshane, niyenze le nto iphumileyo emlonyeni wenu.

25Bathetha oonyana bakaGadi noonyana bakaRubhen, bathi, Abakhonzi bakho baya kwenza njengoko inkosi yethu iwise umthetho.

26Abantwana bethu, nabafazi bethu, nemfuyo yethu, namaqegu ethu onke, oba khona emizini yaseGiliyadi.

27Ke abakhonzi bakho baya kuwela, bonke abomkhosi bexhobele imfazwe phambi koYehova, njengoko inkosi yethu itshoyo.

28UMoses wamwisela umthetho ngabo uElazare umbingeleli, noYoshuwa unyana kaNun, neentloko zezindlu zooyise zezizwe zoonyana bakaSirayeli.

29Wathi uMoses kubo, Ukuba oonyana bakaGadi noonyana bakaRubhen bathe bawela nani eYordan, bonke bexhobele imfazwe phambi koYehova, laza leyiswa ilizwe phambi kwenu, nobanika ilizwe laseGiliyadi, ukuba libe lelabo.

30Ke ukuba abathanga bawéle bexhobile nani, boba nelifa phakathi kwenu ezweni lakwaKanan.

31Baphendula oonyana bakaGadi noonyana bakaRubhen, bathi, Oko akuthethileyo uYehova kubakhonzi bakho, baya kukwenza.

32Thina siya kuwela sixhobile phambi koYehova, siye ezweni lakwaKanan, ukuze ibe yeyethu inzuzo yelifa lethu nganeno kweYordan.

33UMoses wabanika oonyana bakaGadi noonyana bakaRubhen nesiqingatha sesizwe sakwaManase, unyana kaYosefu, ubukumkani bukaSihon ukumkani wama-Amori, nobukumkani bukaOgi ukumkani waseBhashan, ilizwe elo ngokwemizi yalo nemida yalo, imizi yelizwe elo ngeenxa zonke.

34Bayakha oonyana bakaGadi iDibhon, neAtaroti, neArohere,

35neAtaroti-shofan, neYazere, neYogebheba,

36neBhete-nimra, neBhete-haran, imizi enqatyisiweyo, nezibaya zempahla emfutshane.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

37Oonyana bakaRubhen bayakha iHeshbhon, ne-Elale, neKiriyatayim,

38neNebho, neBhahali-mehon (iguqulwe amagama ayo), neSibhema; bayibiza ngamagama wambi imizi abayakháyo.

39Baya oonyana bakaMakire, unyana kaManase, eGiliyadi; bayithimba, bawagqogqa ama-Amori abekuyo.

40UMoses wamnika elaseGiliyadi uMakire, unyana kaManase, wahlala kulo.

41UYahire unyana kaManase waya wazithimba iilali zakhona, wathi yiHavoti-yahire.

42UNobha waya wayithimba iKenati namagxamesi ayo, wathi igama layo yiNobha.

INumeri 33

Indlela awahamba ngayo amaSirayeli ukusuka eYiputa

1Zizo ezi iimfuduka zoonyana bakaSirayeli, abaphumáyo ezweni laseYiputa ngokwemikhosi yabo, ngesandla sikaMoses noAron.

2UMoses wakubhala ukuphuma kwabo ngokweemfuduka zabo, ngokomlomo kaYehova. Zizo ke ezi iimfuduka zabo ngokuphuma kwabo:

3Banduluka eRameses ngenyanga yokuqala, ngosuku lweshumi elinesihlanu lwenyanga yokuqala; ngengomso emva kwepasika, baphuma oonyana bakaSirayeli ngesandla esiphakamileyo, emehlweni amaYiputa onke.

4AmaYiputa ayengcwaba abo wababethayo uYehova kuwo, bonke abamazibulo; nasezithixweni zabo uYehova wenza izigwebo.

5Banduluka oonyana bakaSirayeli eRameses, bamisa iintente eSukoti.

6Banduluka eSukoti, bamisa e-Etam, esesiphelweni sentlango.

7Banduluka e-Etam, babuyela ngasePihahiroti, ephambi kweBhahalitsefon, bamisa phambi kweMigidoli.

8Banduluka phambi kweHahiroti, baluwela ulwandle, baya entlango; bahamba uhambo lweemini ezintathu entlango ye-Etam, bamisa eMara.

9Banduluka eMara, bafika e-Elim; kwakukho e-Elim apho imithombo yamanzi elishumi elinamibini, nemithi yesundu engamashumi asixhenxe, bamisa khona.

10Banduluka e-Elim, bamisa ngaseLwandle oluBomvu.

11Banduluka eLwandle oluBomvu, bamisa entlango yeSin.

12Banduluka entlango yeSin, bamisa eDofeka.

13Banduluka eDofeka, bamisa eAlushe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Banduluka eAlushe, bamisa eRefidim, apho kwakungekho manzi okuba abantu basele.

15Banduluka eRefidim, bamisa entlango yeSinayi.

16Banduluka entlango yeSinayi, bamisa eKibroti-hatahava.

17Banduluka eKibroti-hatahava, bamisa eHatseroti.

18Banduluka eHatseroti, bamisa eRitema.

19Banduluka eRitema, bamisa eRimon-peretse.

20Banduluka eRimon-peretse, bamisa eLibhena.

21Banduluka eLibhena, bamisa eRisa.

22Banduluka eRisa, bamisa eKehelata.

23Banduluka eKehelata, bamisa entabeni yeShefere.

24Banduluka entabeni yeShefere, bamisa eHarada.

25Banduluka eHarada, bamisa eMakeloti.

26Banduluka eMakeloti, bamisa eTahati.

27Banduluka eTahati, bamisa eTara.

28Banduluka eTara, bamisa eMiteka.

29Banduluka eMiteka, bamisa eHashemona.

30Banduluka eHashemona, bamisa eMoseroti.

31Banduluka eMoseroti, bamisa eBhene-yahakan.

32Banduluka eBhene-yahakan, bamisa emqolombeni waseGidegadi.

33Banduluka emqolombeni waseGidegadi, bamisa eYotebhata.

34Banduluka eYotebhata, bamisa eAbrona.

35Banduluka eAbrona, bamisa e-Etsiyon-gebhere.

36Banduluka e-Etsiyon-gebhere, bamisa entlango yeTsin eyiKadeshe.

37Banduluka eKadeshe, bamisa entabeni yeHore, esiphelweni selizwe lwakwaEdom.

38Wenyuka uAron, umbingeleli, waya entabeni yeHore ngokomlomo kaYehova, wafela khona ngomnyaka wamashumi amané wokuphuma koonyana bakaSirayeli ezweni lamaYiputa, ngenyanga yesihlanu, ngolokuqala enyangeni leyo.

39UAron wayeminyaka ilikhulu linamanci mabini anamithathu ezelwe, ekufeni kwakhe entabeni yeHore.

© 1975 Bible Society of South Africa.

40Weva umKanan, ukumkani waseAradi, owayehleli kwelisezantsi ezweni lakwaKanan ukuba bafikile oonyana bakaSirayeli.

41Banduluka entabeni yeHore, bamisa eTsalimona.

42Banduluka eTsalimona, bamisa ePunon.

43Banduluka ePunon, bamisa eObhoti.

44Banduluka eObhoti, bamisa eIye-abharim, emdeni wakwaMowabhi.

45Banduluka eIyim, bamisa eDibhon yakwaGadi.

46Banduluka eDibhon yakwaGadi, bamisa eAlimon-diblatayim.

47Banduluka eAlimon-diblatayim, bamisa ezintabeni zeAbharim phambi kweNebho.

48Banduluka ezintabeni zeAbharim, bamisa ezinkqantosini zakwaMowabhi, ngaseYordan malunga neYeriko,

49Bamisa ngaseYordan, bethabathela kwiBhete-yeshimoti, besa kwiAbhele-shitim ezinkqantosini zakwaMowabhi.

Umthetho wokugxotha amaKanan nokutshabalalisa izithixo zawo

50Wathetha uYehova kuMoses ezinkqantosini zakwaMowabhi, ngaseYordan malunga neYeriko, esithi,

51Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Xa nithe nayiwela iYordan, nangena ezweni lakwaKanan,

52nobagqogqa bonke abemi belo zwe phambi kwenu, niwachithe onke amatye angumfanekiso, nemifanekiso yabo yonke etyhidiweyo niyichithe, nazo zonke iziganga zabo nizitshabalalise; nilihluthe ilizwe, nihlale kulo;

53kuba ndininikile ilizwe eli, ukuba nime kulo.

54Nize nilabe ilizwe ngamaqashiso ngokwemizalwane yenu. Omninzi nolenza lininzi ilifa lawo, omncinane nilenze lincinane ilifa lawo; ingulowo ube sendaweni elothi liwe kuyo iqashiso lawo.

55Nolidla ilifa ngokwezizwe zooyihlo. Ukuba anithanga nibagqogqe abemi belizwe phambi kwenu, kothi abo nibasalisileyo babe ngameva emehlweni enu, neemviko emacaleni enu, banibandezele ezweni enihleli kulo.

56Kothi, njengoko ndagqibayo ukwenza kubo, ndenze ngako nakuni.

INumeri 34

Imida yomhlaba wakwaSirayeli

1Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Bawisele oonyana bakaSirayeli umthetho, uthi kubo, Xa nithe nangena ezweni lakwaKanan (lilo eli ilizwe eliya kuwela kuni libe lilifa, ilizwe lakwaKanan ngokwemida yalo),

3icala lenu lasezantsi lothabathela entlango yeTsin, ngasemacaleni akwaEdom; nomda wenu wasezantsi wothabathela esiphelweni soLwandle lweTyuwa ngasempumalanga;

4umda wenu ujikele ezantsi, uye ekunyukeni kweAkrabhim, udlule uye eTsin, nokuphuma kwawo usinge ezantsi eKadeshe-bharneha; uphume uye eHatsare-adare, udlule uye eAtsemon;

5umda ujikele eAtsemon, uye emlanjaneni waseYiputa; ukuphuma kwawo usinge elwandle.

6Umda wenu wasentshonalanga woba lulwandle olukhulu, nommandla walo; lowo woba ngumda wenu wasentshonalanga.

7Woba ngulo umda wenu wangasentla: nothabathela elwandle olukhulu, nizisikele intaba yeHore;

8nithabathele entabeni yeHore, nisike niye eHamati; ukuphuma komda, uye eTsedada;

9uphume umda uye eZifron; ukuphuma kwawo ume eHatsare-enan. Ngumda wenu wangasentla ke lowo.

10Nozisikela umda wasempumalanga, nithabathele eHatsare-enan, nise eShefam;

11uhle umda eShefam, uye eRibhela, ngasempumalanga eAyin; uhle umda uthane nqiphu negxalaba loLwandle lwaseKinerete ngasempumalanga;

12umda uhle iYordan; ukuphuma kwawo kume ngoLwandle lweTyuwa. Loba lilizwe lenu elo, ngokwemida yalo ngeenxa zonke.

13UMoses wabawisela umthetho oonyana bakaSirayeli, esithi, Lilo elo ilizwe enolabelwa ngeqashiso, awisé umthetho ngalo uYehova wokuba linikwe izizwe ezisithoba ezinesiqingatha sesizwe.

14Ngokuba isizwe soonyana bakaRubhen ngokwezindlu zooyise, nesizwe soonyana bakaGadi ngokwezindlu zooyise, nesiqingatha sesizwe sikaManase, sisesilizuzile ilifa laso.

15Izizwe ezibini nesiqingatha sesizwe zilizuzile ilifa lazo nganeno kweYordan, malunga neYeriko ngasempumalanga phambili.

16Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

17Ngawo la amagama amadoda aya kunabela ilizwe ukuba libe lilifa: uElazare umbingeleli, noYoshuwa unyana kaNun.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Nothabatha isikhulu sibe sinye, isikhulu sibe sinye esizweni, nilabe ilizwe ukuba libe lilifa.

19Ngawo la amagama aloo madoda: esizweni sakwaYuda, nguKalebhi unyana kaYefune;

20esizweni soonyana bakaSimon, nguShemuweli unyana ka-Amihude;

21esizweni sakwaBhenjamin, nguElidade unyana kaKiselon;

22esizweni soonyana bakaDan, sisikhulu esinguBhuki unyana kaYogeli;

23koonyana bakaYosefu, esizweni soonyana bakaManase, sisikhulu esinguHaniyeli, unyana kaEfodi;

24esizweni soonyana bakaEfrayim, sisikhulu esinguKemuweli, unyana kaShifitan;

25esizweni soonyana bakaZebhulon, sisikhulu esinguElitsafan, unyana kaParnaki;

26esizweni soonyana bakaIsakare, sisikhulu esinguPalatiyeli, unyana ka-Azan;

27esizweni soonyana baka-Ashere, sisikhulu esinguAhihudi, unyana kaShelomi;

28esizweni soonyana bakaNafetali, sisikhulu esinguPedayeli, unyana ka-Amihude.

29Ngabo abo, awabawiselayo umthetho uYehova wokuba bababele ilifa oonyana bakaSirayeli ezweni lakwaKanan.

INumeri 35

Imizi yabaLevi nemizi yokusabela

1Wathetha uYehova kuMoses ezinkqantsoni zakwaMowabhi ngaseYordan, malunga neYeriko, esithi,

2Bawisele oonyana bakaSirayeli umthetho, ukuba babanike abaLevi elifeni lenzuzo yabo imizi yokuba bahlale kuyo, nibanike abaLevi namadlelo ngasemizini yabo ngeenxa zonke.

3Imizi yabo yoba yeyokuhlala, amadlelo ayo abe ngaweenkomo zabo, nempahla yabo, nento yabo yonke ephilileyo.

4Amadlelo emizi enobanika abaLevi othabathela eludongeni lomzi ase ngaphandle, abe ziikubhite eziliwaka ngeenxa zonke;

5nilinganise nithabathela ngaphandle komzi, icala lasempumalanga libe ziikubhite ezingamawaka amabini, icala langasezantsi libe ziikubhite ezingamawaka amabini, icala lasentshonalanga libe ziikubhite ezingamawaka amabini, icala langasentla libe ziikubhite ezingamawaka amabini, umzi ube sesazulwini. Lawo oba ngamadlelo emizi yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Imizi eniya kuyinika abaLevi yoba nemizi emithandathu yokusabela, enobanika ukuba abalekele kuyo umbulali, kuleyo nongeze imizi engamashumi amané anambini.

7Yonke imizi enobanika yona abaLevi yoba yimizi engamashumi amané anesibhozo, anamadlelo ayo.

8Imizi enobanika enzuzweni yoonyana bakaSirayeli noyenza mininzi kwesininzi, niyenze mincinane kwesincinane; eso isizwe, ngokomlinganiso welifa laso esiya kulidla, sóbanika abaLevi emizini yaso.

9Wathetha uYehova kuMoses, esithi,

10Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi kubo, Xa nithe nayiwela iYordan, nafika ezweni lakwaKanan,

11nozihlelela imizi ibe yimizi yenu yokusabela, abalekele kuyo umbulali obulele umntu ngengozi.

12Yoba yimizi yenu yokusaba kumphindezeli, angafi umbulali, ade eme phambi kwebandla, lithethwe ityala lakhe.

13Ke imizi enobanika yoba yimizi yenu yokusabela emithandathu.

14Nganeno kweYordan nobanika imizi emithathu; ezweni lakwaKanan nobanika imizi emithathu, ibe yimizi yokusabela.

15Loo mizi mithandathu yoba yeyokusabela koonyana bakaSirayeli, nakumphambukeli, nakundwendwe oluphakathi kwenu, babalekele kuyo bonke ababulele umntu ngengozi.

16Ukuba ubani uthe wambetha umntu ngentsimbi, wafa, ungumbulali; wobulawa afe umbulali lowo.

17Ukuba uthe wambetha ngelitye elisesandleni, angáfayo ngalo, wafa, ungumbulali; makabulawe afe umbulali lowo.

18Nokuba uthe wambetha ngento engumthi osesandleni, angáfayo ngayo, wafa, ungumbulali; makabulawe afe umbulali lowo.

19Umphindezeli wegazi wombulala ngokwakhe umbulali lowo; akuqubisana naye wombulala ngokwakhe.

20Ukuba uthe wamtyhala ngokumthiya, nokuba umgibisele emzonda, wafa;

21nokuba uthe wambetha ngesandla sakhe ngobutshaba, wafa: makabulawe afe lowo umbethileyo; ungumbulali yena. Umphindezeli wegazi wombulala umbulali lowo akuqubisana naye.

22Ukuba uthe wamqubula wamtyhala, engenabutshaba, nokuba umgibisele ngempahla nokuba nangayiphi na into, engamzondi, nokuba lilitye angáfayo ngalo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

23engamboni, amwisele ngalo, engenabutshaba naye, engafuni kumenza nto imbi:

24liya kwahlula ibandla phakathi kobethileyo nomphindezeli wegazi, ngokwezo zigwebo;

25limhlangule ibandla umbulali esandleni somphindezeli wegazi, limbuyisele ibandla emzini wokusabela kwakhe, abebalekele kuwo, ahlale kuwo ade afe umbingeleli omkhulu othanjisiweyo ngeoli engcwele.

26Ukuba umbulali uthe waphuma ngaphandle komda womzi wokusabela kwakhe abebalekele kuwo,

27umphindezeli wegazi wamfumana engaphandle komda womzi wokusabela kwakhe, umphindezeli wegazi wambulala umbulali lowo, akayi kuba natyala lagazi lowo.

28Kuba ange ehleli emzini wokusabela kwakhe, kwada kwafa umbingeleli omkhulu. Ke emveni kukufa kombingeleli omkhulu, umbulali wobuyela emhlabeni wenzuzo yakhe.

29Ezo zinto zoba ngummiselo wokugweba kuni kwizizukulwana zenu emakhayeni enu onke.

30Bonke ababulele umntu, makabulawe umbulali lowo ngomlomo wamangqina; kodwa ingqina lilinye aliyi kungqina ngomntu afe.

31Ize ningathabathi lucamagusho ngenxa yomphefumlo wobulali osukuba engongendawo, engowokufa; makabulawe afe.

32Ize ningathabathi lucamagusho ngenxa yobalekele emzini wokusabela kwakhe, ukuba abuye eze kuhlala emhlabeni wakhe, ade afe umbingeleli.

33Ize ningalihlambeli ilizwe enikulo, kuba ligazi elihlambela ilizwe. Ilizwe ke alinakucanyagushelwa ngenxa yegazi eliphalaziweyo kulo, kungengagazi lowaliphalazayo.

34Nize ningalenzi nqambi ke ilizwe enihleli kulo, endihleli kulo; kuba mna, Yehova, ndihleli phakathi koonyana bakaSirayeli.

INumeri 36

Umthetho malunga neendlamafakazi

1Kwasondela iintloko zezindlu zooyise ngokwemizalwane yoonyana bakaGiliyadi, unyana kaMakire, unyana kaManase, wasemizalwaneni yoonyana bakaYosefu, bathetha phambi koMoses naphambi kwezikhulu, iintloko zezindlu zooyise zoonyana bakaSirayeli,

2bathi, UYehova wayiwisela umthetho inkosi yethu, ukuba ibanike ilizwe ngamaqashiso oonyana bakaSirayeli, ukuba libe lilifa. Inkosi yethu ke yawiselwa

© 1975 Bible Society of South Africa.

umthetho nguYehova, ukuba ilifa likaTselofehadi, umzalwana wethu, ilinike iintombi zakhe.

3Ke ukuba zithe zaba ngabafazi bothile koonyana bezizwe zoonyana bakaSirayeli, loncitshiswa ilifa loobawo lilifa lazo, longezelelwe kwilifa lesizwe eziya kuba kuso, lincitshiswe iqashiso lelifa lethu.

4Ukuba úthe wafika umnyaka wakuhlokomisa ngesigodlo koonyana bakaSirayeli, losuka longezelelwe ilifa lazo kwilifa lezizwe eziya kuba kuso, lincitshiswe ilifa lesizwe soobawo lilifa lazo.

5Wabawisela ke uMoses umthetho oonyana bakaSirayeli ngokomlomo kaYehova, esithi, Isizwe soonyana bakaYosefu silungisile ukuthetha.

6Lilo eli ilizwi alenze umthetho uYehova ezintombini zikaTselofehadi: uthi, Mazendele kulowo zimthandileyo, kodwa mazendele emzalwaneni wesizwe sikayise;

7ukuze lingashenxi ilifa loonyana bakaSirayeli, lisuke kwesinye isizwe, liye kwesinye isizwe. Ngokuba baya kunamathela oonyana bakaSirayeli elowo elifeni lesizwe sooyise.

8Zonke iintombi ezinelifa ezizweni zoonyana bakaSirayeli ziya kwendela kothile emzalwaneni wesizwe sooyise,

9ukuze oonyana bakaSirayeli babe nalo elowo ilifa looyise; ukuze lingashenxi ilifa esizweni, liye sizweni simbi, kuba izizwe zoonyana bakaSirayeli ziya kunamathela eso elifeni laso.

10Njengoko uYehova wamwisela umthetho uMoses, zenjenjalo iintombi zikaTselofehadi.

11UMala, noTirtsa, noHogela, noMilka, noNoha, iintombi zikaTselofehadi, zendela koonyana babazalwana bakayise;

12zendela emizalwaneni yoonyana bakaManase, unyana kaYosefu; ilifa lazo laba sesizweni somzalwana kayise.

13Yiyo leyo imithetho namasiko awawawisayo uYehova ngesandla sikaMoses koonyana bakaSirayeli, ezinkqantosini zakwaMowabhi, ngaseYordan malunga neYeriko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IDuteronomi

IDuteronomi 1

Intshayelelo

1Ngawo la ke amazwi, awawathethayo uMoses kumaSirayeli onke phesheya
kweYordan entlango, eArabha, malungana noLwandle oluBomvu, phakathi
kweParan, neTofele, neLabhan, neHatseroti, neDizahabhi.

2Ziintsuku ezilishumi elinalunye ukusuka eHorebhe ngendlela yentaba yakwaSehire,
ukuya eKadeshe-bharneha.

3Ngomnyaka wamashumi omané, ngenyanga yeshumi elinanye, ngolokuqala
enyangeni leyo, wathetha uMoses koonyana bakaSirayeli ngako konke uYehova
abemwisele umthetho ngako kubo.

4Emveni kokumbulala kwakhe uSihon ukumkani wama-Amori, obemi eHeshbhon,
no-Ogi ukumkani waseBhashan, obemi eAshtaroti nase-Edreyi,

5phesheya kweYordan ezweni lakwaMowabhi, waqala uMoses ukubaqononondisa lo
myalelo, esithi:

UMoses ubalisa uhambo lwamaSirayeli ukususela eHorebhe ukuya kuma eKadeshe

6UYehova uThixo wethu wathetha kuthi eHorebhe, wathi, Kukade nihleli kule ntaba.

7Jikani ninduluke, niye entabeni yama-Amori, nakubo bonke abamelene nayo,
eArabha, ezintabeni, nasesihlanjeni, nakwelasezantsi, nangaselwandle, ezweni
lamaKanan, naseLebhanon, nide nise kuwo umlambo omkhulu, umlambo
ongumEfrati.

8Khangelani, ndinisikele ilizwe. Ngenani, nakhe kwelo zwe wafungáyo uYehova
kooyihlo, ooAbraham noIsake noYakobi, ukuba wolinika bona, nembewu yabo emva
kwabo.

9Ndathi kuni ngelo xesha, Andinakunithwala ndedwa.

10UYehova uThixo wenu unandisile; nanku namhla ningangeenkwenkwezi zezulu
ukuba baninzi kwenu.

11UYehova uThixo wooyihlo makalongeze inani lenu kaliwaka kunoko lingako,
anisikelele njengoko wathethayo kuni.

12Ndingáthini na ukubuthwala ndedwa ubunzima benu, nomthwalo wenu,
nembambano yenu?

13Zikhangeleleni amadoda alumkileyo, aziingqondi, aziwayo, ngokwezizwe
zakomawenu, ndiwamise abe ziintloko zenu.

14Nandiphendula nathi, Ilizwi olithethileyo lilungile ukuba silenze.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

15Ndabathabatha ke abaziintloko zezizwe zakowenu, amadoda alumkileyo, aziwayo, ndawamisa ába ziintloko phezu kwenu: abathetheli-waka, nabathetheli-makhulu, nabathetheli-mashumi ngamahlanu, nabathetheli-mashumi ngamanye, nabaphathi, ngokwezizwe zakomawenu.

16Ndabawisela umthetho abaphathi benu ngelo xesha, ndathi, Noyilamla into ephakathi kwabazalwana benu, nigwebe ngobulungisa phakathi komntu nomzalwana wakhe, nowasemzini okuye.

17Ize ningakhethi buso ekugwebeni kwenu; ize nimphulaphule omncinane njengomkhulu, ninganxunguphaliswa bubuso bomntu; ngokuba ukugweba oku kokukaYehova. Indawo eninqabeleyo noyizisa kum, ndiyive.

18Ndaniwisela umthetho ngelo xesha ngezinto zonke enozenza.

19Sanduluka eHorebhe, sayihamba yonke laa ntlango inkulu, yoyikekayo nayibonayo, sihamba ngendlela yentaba yama-Amori, njengoko uYehova uThixo wethu wasiyalelayo, sada seza eKadeshebharneha.

20Ndathi ke kuni, Nìfikile entabeni yama-Amori, awasinikayo uYehova, uThixo wethu.

21Khangela, uYehova uThixo wakho ulinikele kuwe ilizwe elo: nyuka wakhe kulo, njengoko wathethayo uYehova uThixo wooyihlo kuwe. Musa ukoyika, ungakwantyi nokunkwantya.

22Nasondela ke kum nina aba nonke, nathi, Masisuse amadoda, asandulele, asihlolele ilizwe elo, asizisele ilizwi lendlela esonyuka ngayo, nemizi esofika kuyo.

23Lalunga ke elo zwi emehlweni am, ndathabatha kuni amadoda alishumi elinamabini, indoda yanye esizweni.

24Ajika ke, enyuka aya entabeni, ada afika esihlanjeni sakwaEshkoli, asihlola.

25Athabatha isiqhamo selo zwe ngesandla sawo, asiphathela, asizisela ilizwi, athi, Lilizwe elihle asinikayo uYehova uThixo wethu.

26Kanti noko anivumanga kunyuka, nawuphikisa umlomo kaYehova uThixo wenu.

27Nakrokra ezintenteni zenu, nathi, Wásikhupha kuba esithiyile uYehova ezweni laseYiputa, ukuze asinikele esandleni sama-Amori, asitshabalalise.

28Siya kunyukela phi na? Abazalwana bethu bazinyibilikisile iintliziyo zethu, besithi, Abantu bakhulu, bade kunathi; imizi mikhulu, inqatyisiwe yada yesa ezulwini; kananjalo noonyana baka-Anaki sibabone khona.

29Ndathi ke kuni, Ize ningangcangcazeli, ningaboyiki.

30NguYehova uThixo wenu, ohamba phambi kwenu. Yena wonilwela, njengako konke awanenzelayo eYiputa emehlweni enu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

31nasentlango, apho wakubonayo ukukuthwala kukaYehova uThixo wakho,
njengomntu ethwele unyana wakhe, ngendlela yonke enahamba ngayo, nada naza
kufika kule ndawo.

32Kanti ke nakwelo zwi anikholwanga nguYehova uThixo wenu,

33ohamba phambi kwenu endleleni, ukuba anihlolele indawo yokumisa iintente
zenu, ngomlilo ebusuku; anibonise indlela enohamba ngayo, ngelifu emini.

34Waliva uYehova ilizwi lokuthetha kwenu, wanoburhalarhume, wafunga, esithi,

35Akukho ndoda, kula madoda esi sizukulwana singendawo, iya kukha ilibone ilizwe
elihle, elo ndafungayo ukuba ndolinika ooyihlo,

36ingenguKalebhi unyana kaYefune; wólibona yena. Ndiya kumnika ilizwe
awanyathela phezu kwalo, yena noonyana bakhe, ngenxa enokuba emlandele
kwaphela uYehova.

37Kanjalo uYehova wandifuthela nam ngenxa yenu, wathi, Nawe lo akuyi kungena
khona.

38UYoshuwa unyana kaNun, oma phambi kwakho, nguye owongena khona;
momeleze, ngokuba yena wowadlisa ilifa elo amaSirayeli.

39Ke iintsatshana zenu, enibe nisithi zoba lixhoba, nabantwana benu abangakwaziyo
namhla okulungileyo nokubi, bona bongena khona; ndolinika bona beme kulo.

40Ke nina jikani, ninduluke niye entlango ngendlela eya eLwandle oluBomvu.

41Naphendula, nathi kum, Sonile kuYehova; sonyuka thina, silwe njengako konke
asiyalele ngako uYehova uThixo wethu. Naxhoba ke elowo impahla yakhe yokulwa,
nenza buphuthuphuthu ukunyuka intaba.

42Wathi uYehova kum, Yithi kubo, Ize ningenyuki, ize ningalwi; kuba àndikhona
phakathi kwenu; hleze nigxothwe ziintshaba zenu.

43Ndathetha kuni, anaphulaphula; nawuphikisa umlomo kaYehova, nagxalathelana
ukunyuka intaba.

44Aphuma ke ama-Amori ami kuloo ntaba, anihlangabeza, anichitha, axelisa iinyosi,
anibetha kwaSehire, ada esa eHorma.

45Nabuya ke nalila phambi koYehova; akaliphulaphula uYehova izwi lenu,
akanibekela ndlebe.

46Ngoko ke nahlala eKadeshe imihla emininzi, njengaloo mihla nayihlalayo apho.

IDuteronomi 2

Ibali lohambo ukuya kuma ngoloyiso lwama-Amori

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Sanduluka, sabheka entlango ngendlela eya eLwandle oluBomvu, njengoko uYehova
wathetha kum, sayijikeleza intaba yakwaSehire imihla emininzi.

2Wathetha uYehova kum, wathi,

3Kukade niyijikeleza le ntaba;

4bhekani ngasentla, ubawisele abantu umthetho uthi, Niya kugqitha nje emdeni
wabazalwana benu, oonyana bakaEsawu, abemi kwaSehire. Baya kunoyika, ize
nizilumkele ke kunene.

5Ize ningabambani nabo; kuba ezweni labo andiyi kuninika nendawo
engangokunyathela kwentende yonyawo; ngokuba ndimnikile uEsawu intaba
yakwaSehire ukuba ayime.

6Ukudla nokuthenga kubo ngemali, nidle; namanzi nowemba kubo ngemali, nisele.

7Kuba uYehova, uThixo wakho, ukusikelele emsebenzini wonke wesandla sakho.
Ùyakwazi ukuyihamba kwakho le ntlango inkulu; le minyaka imashumi mané
uYehova uThixo wakho unawe, akuswelanga nto.

8Segqitha ke kubazalwana bethu, oonyana bakaEsawu, abemiyo kwaSehire,
saphambuka endleleni yeArabha, e-Elati nase-Etsiyon-gebhere. Sajika ke, sadlula
ngendlela yentlango yakwaMowabhi.

9Wathi uYehova kum, Uze ungawabandezeli amaMowabhi, uze ungabambani nawo
ulwe nawo; kuba andiyi kukunika nto yelizwe lawo uyihluthe; kuba iAre ndiyiniké
oonyana bakaLote, ukuba bayime.

10AmaEma ayemi kulo kudala, engabantu abakhulu, abaninzi, abade njengama-
Anaki.

11Bekusithiwa ngamaRafa nawo, njengama-Anaki; ke amaMowabhi athi ngamaEma.

12NakwaSehire bekumi amaHori kudala; koko oonyana bakaEsawu bawagqogqa,
bawatshabalalisa ebusweni babo, bahlala esikhundleni sawo, njengoko akwenzayo
amaSirayeli ezweni lelifa lawo, abelinikwe nguYehova.

13Ndathi ke, Ndulukani ngoku, niwele umlanjana weZerede; sawuwela ke umlanjana
weZerede.

14Imihla yokuhamba kwethu, sisuka eKadeshe-bharneha side siwele umlanjana
weZerede, yaba yiminyaka emashumi mathathu anesibhozo; sada saphela sonke eso
sizukulwana samadoda okulwa phakathi komkhosi, njengoko uYehova
wawafungelayo.

15Saye kananjalo isandla sikaYehova siphezu kwawo, ukuba adutywadutywe phakathi
komkhosi ade agqitywe.

16Kwathi, xenikweni onke amadoda okulwa ayegqityiwe, afa phakathi kwabantu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

17wathetha uYehova kum, esithi,

18Namhla uya kugqitha emdeni wakwaMowabhi oyiAre,

19usondele malungana noonyana baka-Amon. Uze ungababandezeli, uze ungabambani nabo; kuba ezweni loonyana baka-Amon andiyi kukunika ndawo yakuma; ngokuba ndilinike oonyana bakaLote ukuba limiwe ngabo.

20Bekusithiwa lilizwe lamaRafa nalo. Bekumi amaRafa khona kudala; ama-Amon athi ngamaZamzum;

21engabantu abakhulu, abaninzi, abade njengama-Anaki. UYehova wabatshabalalisa ebusweni babo; babagqogqa, bema esikhundleni sabo;

22njengoko wabenzelayo oonyana bakaEsawu abemiyo kwaSehire, wawatshabalalisa amaHori ebusweni babo, bawagqogqa, bema esikhundleni sawo unanamhla.

23Nama-Avi ayemi emizaneni, ada esa eGaza; amaKafetori, awaphumayo kwelamaKafetori, awatshabalalisa, ema esikhundleni sawo.

24Sukani ninduluke, niwele umlanjana oyiArnon. Yabona, ndimnikele esandleni sakho uSihon ukumkani waseHeshbhon, umAmori, nelizwe lakhe. Qala ukulihlutha, ubambane naye, ulwe naye.

25Ngale mini ndiya kuqala ukubeka ukunkwantya ngawe nokoyikeka kwakho phezu kwabantu abaphantsi kwezulu lonke, abaya kuluva udaba lwakho bagungqe, bazibhijabhije ngenxa enawe.

26Ndasusa abathunywa entlango yeKedemoti, baya kuSihon ukumkani waseHeshbhon, benamazwi oxolo okuthi, Ndiyeke ndicande ezweni lakho.

27Ndohamba ngendlela le yodwa; andiyi kuthi gu bucala ndiye ekunene nasekhohlo.

28Ukudla wòndithengela ngemali ndidle, namanzi wòndinika ngemali ndisele, ndihambe nje kodwa ngeenyawo;

29njengoko benza ngako kum oonyana bakaEsawu abemiyo kwaSehire, namaMowabhi abemiyo eAre; ndide ndiwele iYordan, ndiye ezweni asinikayo uYehova uThixo wethu.

30Àkavuma uSihon ukumkani weHeshbhon, ukuba sicande kuye, ngokuba uYehova uThixo wakho wamqinisa isibindi, wayenza ingqoshomba intliziyo yakhe, ukuze amnikele esandleni sakho, njengokuba kunjalo namhla.

31Wathi uYehova kum, Yabona, ndiqalile ukumnikela kuwe uSihon nelizwe lakhe; qala ukulihlutha, ulidle ilifa ilizwe lakhe.

32Waphuma ke uSihon wasihlangabeza, yena nabantu bakhe bonke, eza kulwa eYatsa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33UYehova uThixo wethu wamnikela kuthi; sambulala, yena noonyana bakhe, nabantu bakhe bonke.

34Sayithimba yonke imizi yakhe ngelo xesha, sawasingela phantsi amadoda emizi yonke, nabafazi, nabantwana; àsasalisa namanye usindayo.

35Ziinkomo zodwa esazithimbelayo, namaxhoba emizi esayithimbayo.

36Sathabathela eArohere, eseludinini lomlanjana oyiArnon, emzini osesihlanjeni, sada sesa eGiliyadi, akwabakho mzi usinqabelayo; konke wakunikela kuthi uYehova uThixo wethu.

37Lilizwe loonyana baka-Amon lodwa, eningasondelanga kulo: lonke icala lomlanjana oyiYabhoki, nemizi yasezintabeni, nento yonke awawisa umthetho ngayo uYehova uThixo wethu.

IDuteronomi 3

Isiphelo sebali lohambo

1Sajika, senyuka ngendlela yaseBhashan; waphuma uOgi ukumkani waseBhashan, wasihlangabeza yena nabantu bakhe bonke, ukuba kuliwe e-Edreyi.

2Wathi uYehova kum, Musa ukumoyika; ngokuba ndimnikele esandleni sakho, nabantu bakhe bonke, nelizwe lakhe; uya kwenza kuye njengoko wenza ngako kuSihon ukumkani wama-Amori, obemi eHeshbhon.

3UYehova uThixo wethu wamnikela ke ezandleni zethu uOgi ukumkani waseBhashan, nabantu bakhe bonke; sambulala, kwada akwabakho namnye usindayo.

4Sayithimba yonke imizi yakhe ngelo xesha, akwabakho mzi singawuthabathanga kubo; imizi yaba mashumi mathandathu, wonke ummandla waseArgobhi, ubukumkani bukaOgi eBhashan.

5Yonke loo mizi ibinqatyiswe ngodonga oluphakamileyo, namasango, nemivalo; iyodwa imizi yabasemaphandleni, eyabe imininzi kunene.

6Sayisingela phantsi, njengoko senzayo kuSihon ukumkani waseHeshbhon; sasingela phantsi amadoda emizi yonke, nabafazi, nabantwana.

7Ke zona iinkomo zonke namaxhoba aloo mizi sazithimbela.

8Salithabatha ke ngelo xesha ilizwe esandleni sookumkani bobabini bama-Amori, elingaphonoshono kweYordan, lisusela kumlanjana oyiArnon, lada lesa entabeni yeHermon

9(amaTsidon athi iHermon leyo yiSiriyon, ke ama-Amori athi yiSenire),

10yonke imizi yehewu, neyelaseGiliyadi lonke, neBhashan yonke, kwada kwesa eSaleka ne-Edreyi, imizi yobukumkani bukaOgi eBhashan.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ngokuba nguOgi yedwa, ukumkani waseBhashan, impunde eyayisele kumaRafa. Nantso ikoyi yakhe, ikoyi yentsimbi; asiyiyo na leya iseRabha yakoonyana baka-Amon? Iziikubhite ezisithoba ubude bayo, iziikubhite eziné ububanzi bayo, ngokwekubhite yabantu.

12Elo lizwe salihlutha ngelo xesha, sithabathela eArohere ekumlanjana oyiArnon; nesiqingatha sentaba yeGiliyadi, nemizi yayo ndayinika amaRubhen namaGadi.

13Amasalela aseGiliyadi naweBhashan yonke, ubukumkani bukaOgi, ndawanika isiqingatha sesizwe sikaManase; wonke ummandla weArgobhi neBhashan yonke, leyo bekusithiwa lilizwe lamaRafa.

14UYahire, unyana kaManase, wathabatha wonke ummandla weArgobhi, wada wesa emdeni wamaGeshuri namaMahakati, wawubiza ngegama lakhe, wathi iBhashan yiHavotiyahire, unanamhla.

15UMakire ndamnika elaseGiliyadi.

16AmaRubhen namaGadi ndawanika, ndithabathela kwelaseGiliyadi, ndada ke ndesa kumlanjana oyiArnon, empholokhohlweni wesihlambo, naloo mmandla waso, ndada ndesa naseYabhoki emlanjaneni, emdeni woonyana baka-Amon;

17neArabha, neYordan nommandla wayo, ndithabathela eKinerete, ndada ndesa elwandle lweArabha, uLwandle lweTyuwa, phantsi kwamaxandeka ePisga ngasempumalanga.

18Ndaniwisela umthetho ngelo xesha, ndisithi, uYehova uThixo wenu uniniké eli lizwe ukuba nilihluthe. Welani nixhobile phambi kwabazalwana benu, oonyana bakaSirayeli, nonke nina bafo banobukroti.

19Kodwa abafazi benu, nabantwana benu, nemfuyo yenu (ndiyazi ukuba ninemfuyo eninzi), mabahlale emizini yenu endininike yona;

20ade uYehova abaphumze abazalwana benu njengani, balimé nabo ilizwe elo abanika lona uYehova uThixo wenu phesheya kweYordan; nibuyele ke elowo elifeni lakhe endininike lona.

21UYoshuwa ndamwisela umthetho ngelo xesha, ndisithi, Amehlo akho akubonile konke oku akwenzileyo uYehova uThixo wenu kwaba kumkani bobabini; úya kwenjenjalo ke uYehova kwizikumkani zonke owelela kuzo.

22Ize ningaboyiki; ngokuba uYehova uThixo wenu nguye onilwelayo.

23Ndatarhuzisa kuYehova ngelo xesha, ndisithi, Nkosi yam,

24Yehova, uqalile ukumbonisa umkhonzi wakho ubukhulu bakho, nesandla sakho esithe nkqi; ngokuba nguwuphi na uthixo emazulwini nasehlabathini, ongenza ngokwezenzo zakho, nangokwemisebenzi yakho yobugorha?

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Makhe ndiwele kaloku, ndilibone ilizwe elo lihle, liphesheya kweYordan, loo ntaba intle, neLebhanon.

26Wandiphuphumela uYehova ngomsindo ngenxa yenu, akandiphulaphula; wathi uYehova kum, Yanela, musa ukuba saphinda uthethe kum ngale ndawo.

27Nyuka uye encotsheni yePisga, uphose amehlo akho entshonalanga, nasentla, nasezantsi, nasempumalanga, ulikhangele ngamehlo; ngokuba akuyi kuyiwela le Yordan.

28UYoshuwa mwisele umthetho, umomeleze, umkhaliphise; ngokuba yena uya kuwela yena phambi kwaba bantu; yena uya kubadlisa ilifa, elilelo lizwe uya kulibona.

29Sahlala ke esihlanjeni malungana neBhete-pehore.

IDuteronomi 4

UMoses uyala amaSirayeli ukuba alulame

1Kaloku ke, Sirayeli, yiphulaphule imimiselo namasiko endinifundisa wona, ukuba niwenze; ukuze niphile, ningene, nilimé ilizwe aninikayo uYehova uThixo wooyihlo.

2Ize ningongezi ezwini endiniwisela umthetho ngalo, ize ninganciphisi nto kulo, ukuze niyigcine imithetho kaYehova uThixo wenu, endiniwisela yona.

3Amehlo enu akubonile oko wakwenzayo uYehova kuBhahalipehore; ngokuba bonke abo babemlandela uBhahali-pehore, uYehova uThixo wakho ubatshabalalisile phakathi kwakho.

4Ke nina nanamatheláyo kuYehova uThixo wenu, niphilile nonke namhla.

5Yabonani, ndinifundise imimiselo namasiko, njengoko ndawiselwa umthetho nguYehova uThixo wam, ukuze nenze ngokunjalo phakathi kwelizwe eningena kulo, ukuba nilimé.

6Yigcineni ke niyenze; ngokuba oku bubulumko benu, nengqondo yenu, emehlweni abantu abaya kuyiva yonke le mimiselo; bathi, Olu hlanga lùkhulu ngabantu abalumkileyo, abanengqondo bodwa.

7Ngokuba luluphi na uhlanga olukhulu, oluthixo usondeleyo kúlo, njengoYehova uThixo wethu, ekumbizeni kwethu konke?

8Luluphi na uhlanga olukhulu olunemimiselo namasiko anobulungisa, njengaló myalelo wonke ndiwubekayo phambi kwenu namhla?

9Kodwa zigcine, uwugcine umphefumlo wakho kunene, hleze uzilibale izinto azibonileyo amehlo akho; hleze zimke entliziyweni yakho yonke imihla yokuphila kwakho.

10Uze uzazise oonyana bakho, noonyana boonyana bakho; ngokukodwa umhla owema ngawo phambi koYehova uThixo wakho eHorebhe, akuthi uYehova kum,

© 1975 Bible Society of South Africa.

babizele ndawonye kum abantu, ndibavise amazwi am, ukuze bafunde ukundoyika yonke imihla abaphila ngayo emhlabeni, bafundise noonyana babo.

11Nasondela, nema phantsi kwentaba, intaba isitsha ngumlilo wada wesa esazulwini sezulu, ibubumnyama bamafu nesithokothoko.

12Wathetha uYehova kuni ephakathi komlilo; nasiva isandi samazwi, anabona mbonakalo, yaba sisandi sodwa.

13Wanixelela umnqophiso wakhe, awaniwisela umthetho ngawo ukuba niwenze, amazwi alishumi; wawabhala emacwecweni amabini amatye.

14Wandiwisela umthetho uYehova ngelo xesha, ukuba ndinifundise imimiselo namasiko, ukuba niwenze elizweni eniwelela kulo ukuba nilimé.

15Zigcineni kunene ngenxa yemiphefumlo yenu, ngokuba anibonanga mbonakalo yanto, mini wathetha uYehova kuni eHorebhe phakathi komlilo;

16hleze nizonakalise, nizenzele umfanekiso oqingqiweyo, imbonakalo yento efana nokuba yiyiphi:

17into emilise okwendoda nokwenkazana, into emilise okwento yonke ezitho ziné esemhlabeni, into emilise okwentaka yonke enamaphiko, ephaphazela esibhakabhakeni,

18into emilise okwesinambuzane sonke esisemhlabeni, into emilise okweentlanzi zonke ezisemanzini phantsi komhlaba;

19hleze uwaphakamisele ezulwini amehlo akho, ubone ilanga nenyanga neenkwenkwezi, wonke umkhosi wasezulwini, uwexulwe, uzinqule, uzikhonze, ezo uYehova uThixo wakho azabele izizwe zonke phantsi kwezulu lonke.

20Ke nina unithabathile uYehova, wanikhupha kwiziko lesinyithi eYiputa, ukuba nibe ngabantu abalilifa kuye, njengoko ninjalo namhla.

21Phezu koko uYehova wandifuthela ngenxa yamazwi enu, wafunga ukuba andiyi kuyiwela iYordan, andiyi kungena ezweni elihle akunikayo uYehova uThixo wakho, ukuba libe lilifa;

22kuba ndiya kufela kweli lizwe, andiyiweli iYordan. Ke nina niya kuwela, nilimé elo lizwe lihle.

23Zigcineni, hleze niwulibale umnqophiso kaYehova uThixo wenu, awawenzayo nani, nizenzele umfanekiso oqingqiweyo, imbonakalo yezinto zonke awakuwisela umthetho ngazo uYehova uThixo wakho.

24Ngokuba uYehova uThixo wakho ungumlilo odlayo, unguThixo onekhwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Xa uthe wazala abantwana, nabantwana babantwana, kwada kwaba kudala nihleli kwelo zwe, nazonakalisa, nenza umfanekiso oqingqiweyo, imbonakalo yento nokuba yiyiphi, nenza okubi emehlweni kaYehova uThixo wenu, namqumbisa:

26ndingqinisisa amazulu nehlabathi namhla ngani, ukuba nòdaka mpela kamsinya, ningabikho kwelo zwe, niwela iYordan nisiya kulo ukuba nilimé; anisayi kuyolula imihla yenu kulo, notshabalala kube kanye.

27Woniphangalalisa uYehova phakathi kwezizwe, nisale nibantu bambalwa ezintlangeni, apho uYehova aya kuniqhubela khona;

28nikhonze khona oothixo abangumsebenzi wezandla zomntu, imithi namatye, abangaboniyo, abangeviyo, abangadliyo, abangajojiyo;

29eningathi nimfune khona uYehova uThixo wenu, nimfumane, xa nithe naquqela kuye ngentliziyo yenu yonke, nangomphefumlo wenu wonke.

30Ekubandezelekeni kwenu, zakunifumana zonke ezi zinto, ekupheleni kwemihla, nobuyela kuYehova uThixo wenu, niliphulaphule ilizwi lakhe.

31Ngokuba nguThixo onemfesane uYehova uThixo wakho; akayi kukuyekela, akayi kukonakalisa, akayi kuwulibala umnqophiso wooyihlo awabafungelayo.

32Kuba khawubuze emihleni yamandulo, eyayikho ngaphambi kwakho, kususela kumhla uThixo awadala ngawo umntu ehlabathini, uthabathele esiphelweni sezulu, ude use esiphelweni sezulu, ukuba khe kwakho na into enjengale nto ukuba nkulu, ukuba khe kwaviwa into enjengale na?

33Bakha baliva na abantu izwi loThixo ethetha phakathi komlilo, njengoko walivayo wena, baphila noko?

34Okanye kukho thixo wakha walinga na ukuya kuzithabathela uhlanga phakathi kohlanga ngezilingo, nangemiqondiso, nangezimanga, nangemfazwe, nangesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo, nangokoyikeka okukhulu, njengako konke akwenzileyo kuni uYehova uThixo wenu eYiputa, emehlweni akho?

35Waboniswa wena, ukuze wazi ukuba uYehova nguye uThixo; akukho wumbi, nguye yedwa.

36Wakuvisa izwi lakhe liphuma emazulwini, ukuba akuqeqeshe, nasemhlabeni wakubonisa umlilo wakhe omkhulu, waweva namazwi akhe phakathi komlilo.

37Wabathandáyo nje ooyihlo, wayinyula nembewu yabo emva kwabo, wakukhupha eYiputa ngobukho bakhe, ngamandla akhe amakhulu;

38ukuba agqogqe iintlanga ezinkulu ezomeleleyo kunawe, zingabikho ebusweni bakho; ukuba akungenise, akunike ilizwe lazo libe lilifa, njengoko kunjalo namhla.

39Yazi ke namhla, ukunyàmekele ngentliziyo yakho, ukuba uYehova nguye uThixo emazulwini phezulu, nasehlabathini phantsi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

40akukho wumbi; uyigcìne imimiselo yakhe, nemithetho yakhe, endikumisela yona namhla, ukuba kulúnge kuwe, nakoonyana bakho emva kwakho, ukuze uyolule imihla yakho emhlabeni, lowo akunika wona uYehova uThixo wakho imihla yonke.

Imizi yokusabela

41Waza uMoses wahlula imizi yamithathu ngaphonoshono kweYordan ngasempumalanga, ukuba asabele khona umbulali obulele ummelwane wakhe ngengozi,

42ebengamthiyile ngaphambili; asabele ke komnye waloo mizi, aphile:

43iBhetsere, entlango ezweni lehewu kumaRubhen; iRamoti, kwelaseGiliyadi kumaGadi; iGolan, eBhashan kumaManase.

UMoses uyayiphinda imithetho elishumi

44Nguwo lo umyalelo awawubekayo uMoses phambi koonyana bakaSirayeli.

45Zizo ezi izingqino nemimiselo namasiko awawathethayo uMoses koonyana bakaSirayeli, ekuphumeni kwabo eYiputa,

46-47ngaphonoshono kweYordan, emfuleni omalunga neBhete-pehore, ezweni lakwaSihon, ukumkani wama-Amori, obemi eHeshbhon, abambulaláyo ooMoses noonyana bakaSirayeli ekuphumeni kwabo eYiputa; balihlutha ilizwe lakhe, nelizwe likaOgi ukumkani waseBhashan, ookumkani ababini bama-Amori ababengaphonoshono kweYordan ngasempumalanga;

48bathabathela eArohere, engaseludinini lomlanjana oyiArnon, bada besa entabeni yeSiyon eyiHermon,

49neArabha yonke ngaphonoshono kweYordan ngasempumalanga, bada besa elwandle lwaseArabha, ngaphantsi kwamaxandeka asePisga.

IDuteronomi 5

1Wawabiza uMoses amaSirayeli onke, wathi kuwo, Yivani, maSirayeli, imimiselo namasiko endiwathethayo ezindlebeni zenu namhla, ukuze niwafunde, nigcine ukuwenza.

2UYehova uThixo wethu wenza umnqophiso nathi eHorebhe.

3UYehova akawenzanga noobawo bethu lo mnqophiso; wawenza nathi aba sikhoyo sonke siphela, siphilile namhlanje.

4UYehova wathetha kuni, ekhangelene nani entabeni phakathi komlilo.

5Ndema phakathi koYehova nani ngelo xesha, ukuze ndinixelele ilizwi likaYehova; ngokuba nibe nisoyika umlilo, ànanyuka niye entabeni. Wathi:

© 1975 Bible Society of South Africa.

6NdinguYehova uThixo wakho, owakukhuphayo ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka.

7Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam.

8Uze ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo, nokuba ngowayiphi na into emilise esezulwini phezulu, nesemhlabeni phantsi, nesemanzini aphantsi komhlaba.

9Uze ungazinquli ezo nto, uze ungazikhonzi; kuba mna Yehova, Thixo wakho, ndinguThixo onekhwele, ndibuvelela ubugwenxa booyise koonyana nakwesesithathu nakwesesiné isizukulwana sabandithiyileyo;

10ndiwénzela inceba amawaka abandithandayo, abayigcinayo imithetho yam.

11Uze ungafumane ulibize igama likaYehova uThixo wakho, kuba uYehova akayi kumenza omsulwa, ofumana alibize igama lakhe.

12Gcina umhla wesabatha, ukubu uwungcwalise, njengoko wakuwisela umthetho uYehova uThixo wakho.

13Wòsebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho;

14ke wona umhla wesixhenxe úyisabatha kaYehova uThixo wakho. Uze ungenzi namnye umsebenzi, wena, nonyana wakho, nentombi yakho, nesicaka sakho, nesicakakazi sakho, nenkomo yakho, ne-esile lakho, neento zakho zonke ezizitho ziné, nowasemzini osemasangweni akho, ukuze siphumle isicaka sakho nesicakakazi sakho, njengawe;

15ukhumbule ukuba ube ulikhoboka ezweni laseYiputa, wakukhupha khona uYehova uThixo wakho ngesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo; ngenxa yoko úkuwisele umthetho uYehova uThixo wakho, ukuba uwugcine umhla wesabatha.

16Beka uyihlo nonyoko, njengoko akuwisele umthetho uYehova uThixo wakho, ukuze yolulwe imihla yakho, nokuze kulúnge kuwe emhlabeni akunika wona uYehova uThixo wakho.

17Uze ungabulali.

18Uze ungakrexezi.

19Uze ungebi.

20Uze ungangqini ubungqina obubuxoki ngommelwane wakho.

21Uze unganqweneli umfazi wommelwane wakho; uze unganqweneli indlu yommelwane wakho, nentsimi yakhe, nesicaka sakhe, nesicakakazi sakhe, nenkomo yakhe, ne-esile lakhe, nanye into eyeyommelwane wakho.

22Loo mazwi wawathetha uYehova ebandleni lenu lonke entabeni leyo, phakathi komlilo, efini nasesithokothokweni, ngezwi elikhulu, àkongeza; wawabhala emacwecweni amatye amabini, wawanika mna.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kwathi, nakuliva ilizwi phakathi kobumnyama, intaba isitsha ngumlilo, nasondela kum, zonke iintloko zezizwe zakowenu, namadoda amakhulu akowenu;

24nathi, Yabona, uYehova uThixo wethu usibonisile ubuqaqawuli bakhe nobukhulu bakhe, nelizwi lakhe silivile phakathi komlilo. Namhla sibonile ukuba uYehova uyathetha nomntu, aphile noko.

25Ngoko yini na ukuba sife? Ngokuba lo mlilo mkulu uya kusidla; ukuba sithe saphinda saliva ilizwi likaYehova uThixo wethu, sofa.

26Kuba ngubani na enyameni yonke, owakha waliva ilizwi likaThixo ohleliyo, ethetha phakathi komlilo, njengathi, waphila noko?

27Sondela wena, uve konke okuthethwa nguYehova uThixo wethu, ukuthethe wena kuthi; konke aya kukuthetha uYehova uThixo wethu kuwe, sokuva sikwenze.

28Waliva ke uYehova izwi lokuthetha kwenu ekuthetheni kwenu kum; wathi uYehova kum, Ndilivile izwi lokuthetha kwaba bantu abakuthethileyo kuwe; bakulungisile konke abakuthethileyo.

29Akwaba bebenale ntliziyo yokundoyika, nokuyigcina imithetho yam yonke, imihla yonke, ukuze kulúnge kubo noonyana babo ngonaphakade!

30Yiya, uthi kubo, Buyelani ezintenteni zenu.

31Ke wena, yima apha ngakum, ndiyithethe kuwe yonke imithetho nemimiselo namasiko, owobafundisa wona, bawenze ezweni elo ndibanika lona, ukuba balimé.

32Nize nizigcine ukuba nenze njengoko uYehova uThixo wenu waniwisela umthetho, ningatyekeli ekunene nasekhohlo.

33Hambani ngeendlela zonke awaniwisela umthetho ngazo uYehova uThixo wenu, ukuze niphile; kulúnge kuni, niyolule imihla ezweni elo niya kulima.

IDuteronomi 6

Iziyalo ezisingisela kululamo

1Nguwo lo umthetho, imimiselo ke kwanamasiko, awaniwiselayo uYehova uThixo wenu, ukuba niwufundiswe, niwenze ezweni elo niwelela kulo ukuba nilimé;

2ukuze umoyike uYehova uThixo wakho, uyigcine yonke imimiselo yakhe nemithetho yakhe endikuwiselayo, wena nonyana wakho, nonyana wonyana wakho, yonke imihla yobomi bakho, ukuze yolulwe imihla yakho.

3Yiva ke, Sirayeli, ugcine ukwenza, ukuze kulúnge kuwe, ukuze nande kunene ezweni elibaleka amasi nobusi, njengokuba uYehova, uThixo wooyihlo, akuthethileyo kuwe.

4Yiva, Sirayeli: uYehova uThixo wethu nguYehova mnye.

5Uze umthande uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke, nangamandla akho onke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6La mazwi ndikuwisela umthetho ngawo namhlanje, aze abe sentliziyweni yakho.

7Uze uwatsolise koonyana bakho, uthethe ngawo ekuhlaleni kwakho endlwini yakho, nasekuhambeni kwakho ngendlela, nasekulaleni kwakho, nasekuvukeni kwakho;

8uwabophe esandleni sakho abe ngumqondiso, abe zizikhumbuzo phakathi kwamehlo akho;

9uwabhale emigubasini yendlu yakho, nasemasangweni akho.

10Kothi, xa athe wakungenisa uYehova uThixo wakho kulo ilizwe abelifungele ooyihlo, ooAbraham noIsake noYakobi, ukuba akunike: imizi emikhulu, emihle, ongayakhanga;

11nezindlu ezizele zizinto zonke ezintle, ongazizalisanga; namaqula ambiweyo, ongawambanga; nezidiliya nezinquma, ongazityalanga; wadla wahlutha:

12uzigcine, hleze umlibale uYehova okukhuphileyo ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka.

13UYehova uThixo wakho ùze umoyike, umkhonze, ufunge igama lakhe.

14Nize ningalandeli thixo bambi koothixo bezizwe eziningqongileyo;

15ngokuba nguThixo onekhwele, uYehova uThixo wakho phakathi kwakho; hleze umsindo kaYehova uThixo wakho uvuthe ngakuwe, ukutshabalalise, ungabikho ehlabathini.

16Nize ningamlingi uYehova uThixo wenu, njengoko namlingayo eMasa.

17Nize niyigcine niyigcinile imithetho kaYehova uThixo wenu, nezingqino zakhe, nemimiselo yakhe, awakuwiselayo;

18wenze okuthe tye, okulungileyo emehlweni kaYehova; ukuze kulúnge kuwe, ungene ulimé ilizwe elihle, awalifungela ooyihlo uYehova,

19ukuba azigxothe iintshaba zakho zonke ebusweni bakho, njengoko wathethayo uYehova.

20Xa athe unyana wakho wakubuza ngomso, esithi, Zezani na ezi zingqino nemimiselo namasiko, aniwiseleyo uYehova uThixo wethu?

21wòthi kunyana wakho, Sibe singamakhoboka kaFaro eYiputa; wasikhupha uYehova eYiputa ngesandla esithe nkqi;

22uYehova wênza eYiputa imiqondiso nezimanga ezikhulu, ezibi, kuFaro, nasendlwini yakhe yonke, emehlweni ethu;

23wasikhupha khona, ukuze asingenise, ukuba asinike ilizwe elo abelifungele oobawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Wasiwisela umthetho uYehova, ukuba siyenze le mimiselo yonke, ukuba simoyike uYehova uThixo wethu, kulúnge kuthi yonke imihla, silondolozelwe ebomini, njengoko kunjalo namhla.

25Koba bubulungisa kuthi, xa sithe sagcina ukuwenza wonke lo mthetho phambi koYehova uThixo wethu, njengoko wasiwiselayo umthetho.

IDuteronomi 7

Ubuhlobo nezizwe zakwaKanan buyaliwa

1Xa athe uYehova uThixo wakho wakungenisa kulo ilizwe, oya kulo ukuba ulimé, wanyothula iintlanga ezininzi ebusweni bakho, amaHeti, namaGirgashi, nama-Amori, namaKanan, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi, iintlanga ezisixhenxe, zizininzi, zinamandla kunawe,

2wazinikela kuwe uYehova uThixo wakho: uze uzixabele, uzisingele phantsi kuphele; ungenzi mnqophiso nazo, ungazisizeli.

3Uze ungendiselani nazo, intombi yakho ungayiniki unyana wakhe, intombi yakhe ungayizekeli unyana wakho;

4kuba yomtyekisa unyana wakho angandilandeli, bakhonze thixo bambi, uvuthe umsindo kaYehova kuni, akutshabalalise kamsinya.

5Ke yenjani nje kuzo: zidilizeni izibingelelo zazo, nizichithe izimiso zazo, nibaxakaxe ooAshera bazo, niyitshise ngomlilo imifanekiso yazo eqingqiweyo.

6Ngokuba ningabantu abangcwele kuYehova uThixo wakho; úninyule uYehova uThixo wakho, ukuba nibe ngabantu abayinqobo kuye, kunabantu bonke abaphezu komhlaba.

7Akungabuninzi benu kunezinye izizwe zonke, le nto athene nca nani uYehova, waninyula; kuba nimbalwa kunezinye izizwe zonke.

8Kungokunithanda kukaYehova, kungokusigcina kwakhe isifungo abesifungele ooyihlo, le nto anikhuphe ngesandla esithe nkqi uYehova, wanikhulula ngentlawulelo endlwini yobukhoboka, esandleni sikaFaro, ukumkani waseYiputa.

9Yazi ke, ukuba uYehova uThixo wakho nguye uThixo, uThixo wenyaniso, obagcinela umnqophiso nenceba abamthandayo, abayigcinayo imithetho yakhe, ase ewakeni lesizukulwana;

10obabuyekezayo abamthiyayo ebusweni babo, ukuba abatshabalalise. Akalibali ukumbuyekeza omthiyayo; uya kumbuyekeza ebusweni bakhe.

11Wugcine ke umthetho, nemimiselo, namasiko, endikuwisela wona namhla, ukuba uwenze.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Kothi ke ngenxa enokuba nithe naweva la mabango, nawagcina, nawenza, akugcinele umnqophiso nenceba uYehova uThixo wakho, awawufunga kooyihlo;

13akuthande, akusikelele, akwandise, asikelele nesiqhamo sesizalo sakho, neziqhamo zomhlaba wakho, ingqolowa yakho, newayini yakho entsha, neoli yakho, nenkonyana yenkomo yakho, netakane lempahla yakho emfutshane, emhlabeni lowo wawufungela ooyihlo ukuba wokunika.

14Wósikeleleka ngaphezu kwezizwe zonke; akusayi kubakho nto ingázaliyo, nokuba yindoda nokuba ngumfazi kuwe; nasezinkomeni zakho ayisayi kubakho.

15UYehova wósusa zonke izifo kuwe; nobulwelwe bonke obubi baseYiputa, obo ubaziyo, akayi kububeka kuwe; úya kububeka kubo bonke abakuthiyayo.

16Uze uzidle zonke izizwe ezo akunikayo uYehova uThixo wakho; iliso lakho lingabi nanceba kuzo, ungábakhonzi oothixo bazo; ngokuba ngumgibe lowo kuwe.

17Xa uthe entliziyweni yakho, Ezi ntlanga zininzi kunam, ndinokuthini na ukuzigqopha? uze ungazoyiki.

18Khumbula kakuhle awakwenzayo uYehova uThixo wakho kuFaro nakumaYiputa onke;

19izilingo ezikhulu azibonileyo amehlo akho, nemiqondiso, nezimanga, nesandla esithe nkqi, nengalo eyolukileyo, awakukhupha ngazo uYehova uThixo wakho. Úya kwenjenjalo uYehova uThixo wakho kuzo zonke izizwe ozoyikayo.

20Ngaphezu koko, uYehova uThixo wakho uya kuthuma oonomeva kuzo, zide ezo ziselayo, zizisithelisayo ebusweni bakho, zibhubhe.

21Uze ungangcangcazeli ebusweni bazo; ngokuba uYehova uThixo wakho phakathi kwakho nguThixo omkhulu, owoyikekayo.

22UYehova uThixo wakho uya kuzinyothula ezi ntlanga ebusweni bakho, kancinane, kancinane. Akuyi kuba nako ukuziphelisa kamsinya, hleze ande akongamele amarhamncwa asendle.

23UYehova uThixo wakho wozinikela kuwe, azidungadunge ngodungadungo olukhulu, zide zitshatyalaliswe;

24abanikele ookumkani bazo esandleni sakho, ulicime igama labo phantsi kwezulu. Akuyi kuma mntu ebusweni bakho, ude uzitshabalalise zona.

25Imifanekiso eqingqiweyo yoothixo bazo woyitshisa ngomlilo; uze ungayinqweneli isilivere negolide ekuzo, ungayithabatheli kuwe, ibe ngumgibe; ngokuba lisikizi kuYehova uThixo wakho.

26Uze ungalingenisi isikizi endlwini yakho, ukuze ungabi yinto yokusingelwa phantsi njengálo. Ize ibe nezothe, ibe linyala kuwe, ibe lisikizi kuwe, ngokuba yinto yokusingelwa phantsi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IDuteronomi 8

Iziyalo ezisingisela kululamo ngenxa yabakwenzelwe nguThixo

1Wonke umthetho endikuwiselayo namhla, ize nizigcine ngokwenu ukuba niwenze,
ukuze niphile, nande, ningene nilimé ilizwe elo walifungela ooyihlo uYehova.

2Uze uyikhumbule yonke indlela akuhambise ngayo uYehova uThixo wakho, le
minyaka imashumi mané entlango, ukuze akuthobe, akulinge, akwazi
okusentliziyweni yakho, ukuba wòyigcina imithetho yakhe, akuyi kuyigcina, kusini na.

3Wakuthoba, wakulambisa, wakudlisa imana, into obungayazi, ababengayazi
nooyihlo; ukuze akwazise ukuba akaphili ngasonka sodwa umntu; umntu lo yena
uphila ngento yonke ephuma emlonyeni kaYehova.

4Ingubo yakho ayonakalanga bubudala ikushiye, nonyawo lwakho aludumbanga, le
minyaka imashumi mané.

5Uze wazi ngentliziyo yakho, ukuba njengoko umntu amqeqeshayo unyana wakhe,
uYehova uThixo wakho uyakuqeqesha wena;

6uyigcine ke imithetho kaYehova uThixo wakho, ukuba uhambe ngeendlela zakhe,
umoyike.

7Kuba uYehova uThixo wakho ukungenisa ezweni elihle; ezweni lemilanjana yamanzi,
lemithombo namanzi enzonzobila, aphuma ezihlanjeni nasezintabeni;

8ezweni lengqolowa, nerhasi, neediliya, nemikhiwane, neerharnate; ezweni
leminquma yeoli, nobusi;

9ezweni ongayi kudla sonka kulo uyimbedlenge, ongayi kuswela nanye into kulo;
ezweni elimatye asinyithi, elintaba womba ubhedu kuzo;

10udle, uhluthe, umbonge uYehova uThixo wakho ngenxa yelizwe elihle akunike lona.

11Zigcine, hleze umlibale uYehova uThixo wakho ngokungayigcini imithetho yakhe,
namasiko akhe, nemimiselo yakhe, endikumiselayo namhla;

12hleze uthi, wakudla uhluthe, wakhe izindlu ezintle, uhlale kuzo;

13zande iinkomo zakho, nempahla yakho emfutshane, yande kuwe isilivere negolide,
yande yonke into onayo:

14isuke iphakame intliziyo yakho, umlibale uYehova uThixo wakho, owakukhuphayo
ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka;

15owakuhambisayo entlango enkulu eyoyikekayo, eneenyoka ezinobuhlungu,
noonomadudwane, nebalelelwe lilanga, engenamanzi; owakuvelisela amanzi eweni
leqhwitha;

16owakudlisa imana entlango, into ababengayazi ooyihlo, ukuze akuthobe, akulinge,
ukuba akwenzele okulungileyo ekupheleni kwakho;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17úze uthi ke entliziyweni yakho, Ngamandla am nokuqina kwesandla sam okundizuzise obu butyebi.

18Uze umkhumbule uYehova uThixo wakho, ngokuba nguye okunika amandla okuzuza ubutyebi; ukuze awumise umnqophiso wakhe abewufungele ooyihlo, njengoko kunjalo namhla.

19Kothi, ukuba ùthe wamlibala uYehova uThixo wakho, walandela thixo bambi, wabakhonza, wabanqula, ndiyaningqinela namhla, ukuba nobhubha kanye.

20Njengeentlanga uYehova azenze zadaka ebusweni benu, nòdaka ngokunjalo, ngenxa enokuba ningaliphulaphulanga izwi likaYehova uThixo wenu.

IDuteronomi 9

UMoses ukhumbuza amaSirayeli ngeemvukelo zawo ngamaxesha athile

1Yiva, Sirayeli! Ùyayiwela namhla iYordan, usiya kuzihlutha iintlanga ezinkulu, ezinamandla kunawe, imizi emikhulu, enqatyiswe yesa ezulwini;

2abantu abakhulu, abade, oonyana baka-Anaki, obaziyo wena, obavileyo wena kusithiwa ngabo, Ngubani na onokuma phambi koonyana baka-Anaki?

3Yazi ke namhla, ukuba uYehova uThixo wakho nguye owela phambi kwakho, engumlilo odlayo. Wòbatshabalalisa, wobathoba phambi kwakho; ubagqogqe, ubacime kamsinya, njengoko wathethayo kuwe uYehova.

4Uze ungatsho entliziyweni yakho ekubagxotheni kukaYehova uThixo wakho ebusweni bakho, ukuthi, Kungobulungisa bam andingenisileyo uYehova, ukuba ndilimé eli lizwe. Kungokungabi ndawo kwezo ntlanga, le nto uYehova azigqogqayo zingabikho ebusweni bakho.

5Akungabulungisa bakho, nokuthi tye kwentliziyo yakho, le nto ungénayo ulimé ilizwe lazo: kuba kungokungabi ndawo kwezo ntlanga, le nto uYehova, uThixo wakho, azigqogqayo zingabikho ebusweni bakho, ukuze alimise ilizwi elo uYehova abelifungele ooyihlo, ooAbraham noIsake noYakobi.

6Yazi ke, ukuba akungabulungisa bakho, le nto uYehova, uThixo wakho, akunikayo eli lizwe lihle ukuba ulimé; ngokuba ningabantu abantamo ilukhuni.

7Khumbula, musa ukulibala ukumqumbisa kwakho uYehova, uThixo wakho, entlango; kususela kwimini owaphumayo ezweni laseYiputa, wada wangena kule ndawo, naba neenkani kuYehova.

8NaseHorebhe namqumbisa uYehova, wanifuthela UYehova ukuba anitshabalalise.

9Oko ndandinyuke ndaya entabeni ukuya kuthabatha amacwecwe amatye, amacwecwe omnqophiso abewenza uYehova nani, ndahlala iimini ezimashumi mané nobusuku obumashumi mané entabeni, ndingadli sonka, ndingaseli manzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Wandinika uYehova amacwecwe amabini amatye, ebhalwe ngomnwe kaThixo, kubhalwe kuwo ngokwamazwi onke abewathethile uYehova nani entabeni, phakathi komlilo ngomhla wesikhungu.

11Kwathi, ekupheleni kweemini ezimashumi mané nobusuku obumashumi mané, uYehova wandinika amacwecwe amabini amatye, amacwecwe omnqophiso.

12Wathi uYehova kum, Suka uhle apha kamsinya; ngokuba bonákalisile abantu bakho obakhuphileyo eYiputa; batyeka kamsinya endleleni leyo ndibawisele umthetho ngayo, bazenzela umfanekiso otyhidiweyo.

13Wathi uYehova kum, Ndibabonile aba bantu; yabona, ngabantu abantamo ilukhuni;

14ndíyeke, ndibatshabalalise, ndilicime igama labo phantsi kwamazulu, ndikwènze wena uhlanga olunamandla, oluninzi kunabo.

15Ndajika ke ndehla entabeni, intaba isitsha ngumlilo, amacwecwe omabini omnqophiso esezandleni zam zozibini.

16Ndakhangela, ndabona ukuba nonile kuYehova uThixo wenu, nazenzela ithole elingumtyhido, natyeka kamsinya endleleni leyo waniwisela umthetho ngayo uYehova.

17Ndawathabatha amacwecwe omabini, ndawalahla ezandleni zam zozibini, ndawaqhekeza emehlweni enu.

18Ndawa phantsi phambi koYehova, njengokokuqala, iimini ezimashumi mané nobusuku obumashumi mané; ndingadli sonka, ndingaseli manzi, ngenxa yezono zenu zonke, enoné ngazo ukwenza okubi emehlweni kaYehova, ukuba nimqumbise;

19kuba bendinxunguphele ngumsindo nobushushu abenoburhalarhume ngabo uYehova kuni, ukuba anitshabalalise. Ke uYehova wandiva nangeso sihlandlo.

20UYehova wamfuthela kunene uAron, ukuba amtshabalalise; ndamthandazela noAron lowo ngelo xesha.

21Isono senu enisenzileyo, ithole elo, ndalithabatha ndalitshisa ngomlilo, ndaliqoba, ndalisila ngokucokisekileyo, lada lacoleka laluthuli, ndaluphosa uthuli lwalo emlanjaneni obusihla entabeni.

22NaseTabhera, naseMasa, naseKibroti-hatahava, nibe nimqumbisa uYehova.

23Nasekunisuseni kukaYehova eKadeshebharneha, esithi, Nyukani, nilimé ilizwe elo ndininikileyo, nawuphikisa umlomo kaYehova uThixo wenu, ànakholwa nguye, analiphulaphula izwi lakhe.

24Naba neenkani kuYehova, kususela kwimini endanazi ngayo.

25Ndawa ke phantsi phambi koYehova, ezo mini zimashumi mané nobusuku obumashumi mané, endawayo phantsi; kuba uYehova wathi uya kunitshabalalisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Ndathandaza ke kuYehova, ndathi, Nkosi yam, Yehova, musa ukubatshabalalisa abantu bakho, ilifa lakho, obakhululeyo ngobukhulu bakho, obakhuphileyo eYiputa ngesandla esithe nkqi.

27Khumbula abakhonzi bakho, ooAbraham noIsake noYakobi. Musa ukukhangela ekugogotyeni kwaba bantu, nakokungendawo kwabo, nasesonweni sabo;

28hleze lithi ilizwe osikhuphe kulo, Kungokuba ebengenako uYehova ukubangenisa kulo ilizwe abethethe ngalo kubo; kungokuba ebebathiya, le nto wakhuphayo, ukuze ababulalele entlango.

29Ke ngabantu bakho nelifa lakho, obakhuphileyo ngamandla akho amakhulu, nangengalo yakho eyolukileyo.

IDuteronomi 10

Inceba kaThixo isisizathu sokuba alulanyelwe

1Ngelo xesha wathi uYehova kum, Ziqingqele amacwecwe amatye abe mabini, njengawokuqala, unyuke uze kum entabeni, uzenzele ityeya yomthi;

2ndiwabhale emacwecweni lawo amazwi abekwawokuqala amacwecwe, lawo wawaqhekezayo; uwabeke etyeyeni.

3Ndenza ke ityeya ngomngampunzi, ndaqingqa amacwecwe amatye amabini, njengawokuqala; ndenyuka ndaya entabeni, ndinawo amacwecwe amabini esandleni sam.

4Wawabhala ke emacwecweni ngokombhalo wokuqala amazwi alishumi, abewathethile uYehova kuni entabeni, phakathi komlilo, ngomhla wesikhungu; uYehova wandinika wona.

5Ndajika ke, ndehla entabeni, ndawabeka amacwecwe etyeyeni endayenzayo. Akhona, njengoko uYehova wandiwisela umthetho ngako.

6Banduluka oonyana bakaSirayeli eBheroti-bhene-yahakan, baya eMosera. Wafa apho uAron, wangcwatyelwa khona; uElazare unyana wakhe waba ngumbingeleli esikhundleni sakhe.

7Banduluka khona, baya eGudegoda; banduluka eGudegoda, baya eYotebhata, ilizwe elinemilanjana yamanzi.

8Ngelo xesha uYehova wasahlula isizwe sakwaLevi, ukuba sithwale ityeya yomnqophiso kaYehova, nokuba sime phambi koYehova silungiselele, sisikelele egameni lakhe unanamhla.

9Ngenxa yoko uLevi akanasabelo nalifa ndawonye nabazalwana bakhe; nguYehova ilifa lakhe, njengoko wathethayo uYehova uThixo wakho kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ndema ke mna entabeni, njengemihla yokuqala, iimini ezimashumi mané
nobusuku obumashumi mané; wandiva uYehova nangeso sihlandlo; uYehova
akathanda ukukonakalisa.

11Wathi uYehova kum, Suka ume, uhambe phambi kwabantu, bangene balimé ilizwe
elo, ndafungayo kooyise ukuba ndobanika.

12Kaloku ke, Sirayeli, uYehova uThixo wakho ubiza ntoni na kuwe, kungekuko
ukumoyika uYehova uThixo wakho, uhambe ngeendlela zakhe zonke, umthande,
umkhonze uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho
wonke;

13ugcine imithetho kaYehova, nemimiselo yakhe, endikumiselayo namhla ukuba
kulúnge kuwe?

14Yabona lelikaYehova uThixo wakho izulu, nezulu lamazulu, nehlabathi, neento
zonke ezikhona.

15UYehova wathana nca nooyihlo bodwa, ukuba abathande; wanyula imbewu yabo
emva kwabo, nina ke, ngaphezu kwezizwe zonke, njengoko kunjalo namhla.

16Yalusani ke inyama yentliziyo yenu, ningabi saba ngabantamo ilukhuni.

17Kuba uYehova uThixo wenu nguThixo woothixo yena, nguNkosi kankosi, nguThixo
omkhulu, oligorha, owoyikekayo, ongakhethi buso, ongamkeli sicengo;

18ogwebela inkedama nomhlolokazi, othanda owasemzini, amnike ukudla, amnike
nengubo.

19Mthandeni owasemzini; kuba nibé ningabasemzini ezweni laseYiputa.

20Uze umoyike uYehova uThixo wakho, umkhonze, unamathele kuye, ufunge igama
lakhe.

21Yindumiso yakho, nguThixo wakho, okwenzele ezi zinto zinkulu zoyikekayo,
azibonileyo amehlo akho.

22Behla beyimiphefumlo emashumi asixhenxe ooyihlo ukuya eYiputa; ke ngoku
uYehova, uThixo wakho, unenze nanjengeenkwenkwezi zezulu, ukuba baninzi
kwenu.

IDuteronomi 11

Iziyalo zokumthanda nokumlulamela uThixo

1Ngoko ke uze umthande uYehova uThixo wakho, ugcine isigxina sakhe, nemimiselo
yakhe, namasiko akhe, nemithetho yakhe, imihla yonke.

2Yazini ke namhla; ngokuba andithethi noonyana benu abangakwazanga,
abangakubonanga ukuqeqesha kukaYehova uThixo wenu, ubukhulu bakhe, nesandla
sakhe esithe nkqi, nengalo yakhe eyolukileyo, nemiqondiso yakhe,

© 1975 Bible Society of South Africa.

3nezenzo zakhe abezenzile phakathi kweYiputa kuFaro ukumkani waseYiputa, nakwilizwe lakhe lonke;

4noko wakwenzayo empini yamaYiputa, emahasheni ayo, nasezingqwelweni zayo zokulwa; oko wahambisa amanzi oLwandle oluBomvu phezu kwayo, ekunisukeleni kwayo, wayicima uYehova unanamhla;

5noko wakwenzayo kuni entlango, nada nafika kule ndawo;

6noko wakwenzayo kooDatan noAbhiram, oonyana bakaEliyabhi unyana kaRubhen; ukuba umhlaba wakhamisa umlomo wawo, wabaginya, nezindlu zabo, neentente zabo, nento yonke ephilileyo eyabalandelayo, àbabakho phakathi kwamaSirayeli onke.

7Ngokuba amehlo enu azibonile zonke izenzo zikaYehova ezikhulu awazenzayo.

8Ize niwugcine wonke umthetho endiniwiselayo namhla, ukuze nomelele, ningene nilimé ilizwe elo niwelela kulo, ukuba nilihluthe;

9ukuze niyolule imihla yenu emhlabeni lowo abewufungele ooyihlo uYehova, ukuba wowunika bona nembewu yabo, ilizwe elibaleka amasi nobusi.

10Kuba ilizwe elo uya kulo, usiya kulihlutha, alinjengelizwe laseYiputa, elo naphuma kulo, apho wayihlwayelayo imbewu yakho, waza wayinkcenkcesha ngonyawo lwakho, njengomyezo wemifuno.

11Ke lona ilizwe eniwelela kulo, nisiya kulihlutha, lilizwe leentaba nezihlambo, elisela amanzi emvula yezulu;

12lilizwe alikhathaleleyo uYehova uThixo wakho, ahlala ekulo amehlo kaYehova uThixo wakho, ethabathela ekuqaleni komnyaka, ade ase ekupheleni komnyaka.

13Kothi, ukuba nithe nayiphulaphula ngenyameko imithetho yam endiniwiselayo namhla, yokuba nimthande uYehova uThixo wenu, nimkhonze ngentliziyo yenu yonke, nangomphefumlo wenu wonke:

14ndinìnike imvula yelizwe lenu ngexesha layo, ethambisayo nevuthisayo, uhlanganise ingqolowa yakho,

15newayini yakho entsha, neoli yakho; ndìzinike utyani iinkomo zakho, emadlelweni akho, udle uhluthe.

16Zigcineni, hleze ikhohliseke intliziyo yenu, nityeke, nikhonze thixo bambi,

17nibanqule, uvuthe umsindo kaYehova kuni, alivingce izulu kungabikho mvula, umhlaba ungayivelisi indyebo yawo, nibhubhe kamsinya, ningabikho ezweni elihle, aninika lona uYehova.

18La mazwi am nize niwabekele intliziyo yenu nomphefumlo wenu niwabophe esandleni senu, abe ngumqondiso, abe zizikhumbuzo phakathi kwamehlo enu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

19niwafundise oonyana benu, uthethe ngawo ekuhlaleni kwakho endlwini yakho,
nasekuhambeni kwakho ngendlela, nasekulaleni kwakho, nasekuvukeni kwakho;

20uwabhale emigubasini yendlu yakho, nasemasangweni akho:

21ukuze yande imihla yenu, nemihla yoonyana benu, emhlabeni lowo abewufungele
ooyihlo uYehova, ukuba wobanika njengemihla yamazulu phezu kwehlabathi.

22Kuba, ukuba nithe nawugcina ngenyameko lo mthetho wonke ndiniwiselayo ukuba
niwenze, nimthande uYehova uThixo wenu, nihambe ngeendlela zakhe zonke,
ninamathele kuye;

23wozigqogqa uYehova ezo ntlanga zonke phambi kwenu, nigqogqe iintlanga
ezinkulu, ezinamandla kunani.

24Indawo yonke, enyathelwa yintende yonyawo lwenu, yoba yeyenu; kuthabathela
entlango, naseLebhanon, nasemlanjeni, emlanjeni ongumEfrati, kuse elwandle
lwasentshonalanga, ingumda wenu.

25Akukho mntu uya kuma phambi kwenu; ukunkwantya nini, nokoyika nina,
wòkubeka uYehova uThixo wenu ezweni lonke enilinyatheleyo, njengoko
wathethayo kuni.

26Yabonani, ndibeka phambi kwenu namhla intsikelelo nesiqalekiso:

27intsikelelo, ukuba nithé nayiphulaphula imithetho kaYehova uThixo wenu,
endiniwiselayo namhla;

28isiqalekiso, ukuba nithe anayiphulaphula imithetho kaYehova uThixo wenu, nesuka
natyeka endleleni leyo ndiniwisele umthetho ngayo namhla, nalandela thixo bambi
eningabazanga.

29Kothi, xa athe uYehova, uThixo wakho, wakungenisa kulo ilizwe oya kulo, usiya
kulima, uyikhuphele intsikelelo phezu kwentaba yeGerizim, nesiqalekiso phezu
kwentaba ye-Ebhali.

30Ezo ntaba àziphesheya kweYordan na, ngaphaya kwendlela eya entshonalanga,
ezweni lamaKanan, amiyo eArabha, malungana neGilgali, ecaleni leMioki kaMore?

31Kuba niya kuwela iYordan, nisiya kulihlutha ilizwe elo aninikayo uYehova uThixo
wenu, nilihluthe ke nime kulo.

32Gcinani, niyenze yonke imimiselo namasiko endiwabekayo phambi kwenu namhla.

IDuteronomi 12

Umthetho wokuba ibe nye indawo yokunqula

1Yiyo le imimiselo namasiko, enowagcina ukuba niwenze ezweni elo, akunika lona
uYehova uThixo wooyihlo, ukuba ulimé yonke imihla enidla ngayo ubomi emhlabeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Zichitheni kuphele zonke iindawo, apho iintlanga enizigqogqayo zabakhonzela khona oothixo bazo, ezintabeni eziphakamileyo, nasezindulini, naphantsi kwemithi yonke eluhlaza;

3nizidilize izibingelelo zazo, niziqhekeze izimiso zazo zamatye, nibatshise ngomlilo ooAshera bazo, niyixakaxe imifanekiso eqingqiweyo yoothixo bazo, nilicime igama lazo kule ndawo.

4Ize ke ningenjenjalo kuYehova uThixo wenu.

5Endaweni leyo aya kuyinyula uYehova uThixo wenu ezizweni zenu zonke, ukuba alimise khona igama lakhe, ukuba ahlale khona, ize niquqele khona, niye khona.

6Nowasa khona amadini enu anyukayo, nemibingelelo yenu, nezishumi zenu, nomrhumo wesandla senu, nezibhambathiso zenu, nemibingelelo yenu yokuqhutywa yintliziyo, namazibulo eenkomo zenu nawempahla yenu emfutshane;

7nidle khona phambi koYehova uThixo wenu, nivuye entweni yonke enisa isandla senu kuyo, nina nezindlu zenu, akusikeleleyo kuyo uYehova uThixo wakho.

8Ize ningenzi ngokwezinto zonke esizenzayo apha namhla, elowo esenza okuthe tye emehlweni akhe;

9kuba okwangoku anikangeni ekuphumleni oko, naselifeni elo, aninikayo uYehova uThixo wenu.

10Ke noyiwela iYordan, nihlale ezweni elo, uYehova uThixo wenu aya kunidlisa ilifa kulo, aniphumze ezintshabeni zenu zonke ngeenxa zonke, nihlale nikholosile.

11Kothi ke kubekho indawo aya kuyinyula uYehova uThixo wenu, alihlalise khona igama lakhe, nizizise khona izinto zonke endiniwisela umthetho ngazo; amadini enu anyukayo, nemibingelelo yenu, nezishumi zenu, nomrhumo wesandla senu, nezibhambathiso zenu zonke ezinyuliweyo, enibhambathisa ngazo kuYehova;

12nivuye phambi koYehova uThixo wenu, nina noonyana benu, neentombi zenu, nezicaka zenu, nezicakakazi zenu, nomLevi osemasangweni enu, ngokuba akanasabelo nalifa nani.

13Zigcine, amadini akho anyukayo ungawanyusi ezindaweni zonke ozibonayo.

14Ke endaweni leyo aya kuyinyula uYehova, kwesinye sezizwe sakowenu, wòwanyusa khona amadini akho anyukayo, ukwenze khona konke endikuwisela umthetho ngako.

15Noko ke, ngokunqwena konke komphefumlo wakho, ungáxhela uyidle inyama, ngokwentsikelelo kaYehova uThixo wakho akunikileyo, emasangweni akho onke; oyinqambi nohlambulukileyo bangáyidla into enjengebhadi nenjengexhama.

16Ligazi lodwa eningasayi kulidla; wòliphalazela emhlabeni njengamanzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Àkunakusidlela emasangweni akho isishumi sengqolowa yakho, nesewayini yakho entsha, neseoli yakho, namazibulo eenkomo zakho nawempahla yakho emfutshane, nezibhambathiso zakho zonke obhambathisa ngazo, nemibingelelo yakho yokuqhutywa yintliziyo, nomrhumo wesandla sakho.

18Zona uze uzidlele phambi koYehova uThixo wakho, endaweni leyo aya kuyinyula uYehova uThixo wakho, wena ke, nonyana wakho, nentombi yakho, nesicaka sakho, nesicakakazi sakho, nomLevi osemasangweni akho; uvuye phambi koYehova uThixo wakho ezintweni zonke osa isandla sakho kuzo.

19Zigcine, ungamlibali umLevi, yonke imihla yokuphila kwakho emhlabeni wakho.

20Xa athe uYehova uThixo wakho wawenza banzi umda wakho, njengoko abethethe ngako kuwe, uthi, Ndiya kudla inyama, ngokuba umphefumlo wakho unqwenela ukuyidla inyama: ungáyidla inyama ngokungqwena konke komphefumlo wakho.

21Xa ithe yamgama kuwe indawo leyo, aya kuyinyula uYehova uThixo wakho, ukuba alimise kuyo igama lakhe: woxhela ezinkomeni zakho, nasempahleni yakho emfutshane, akunikileyo uYehova, njengoko ndakuwisela umthetho ngako, udle emasangweni akho ngokunqwena konke komphefumlo wakho.

22Kanye njengokuba lidliwa ibhadi nexhama, ùya kwenjenjalo ukuyidla; oyinqambi nohlambulukileyo bofana ukuyidla.

23Kodwa qina ungalidli igazi, kuba igazi ngumphefumlo; uze ungawudli ke umphefumlo kunye nenyama.

24Uze ungalidli; woliphalazela emhlabeni njengamanzi.

25Uze ungalidli; ukuze kulúnge kuwe, nakoonyana bakho emva kwakho, xa uthe wakwenza okuthe tye emehlweni kaYehova.

26Zizinto zakho ezingcwele zodwa ezilunge kuwe, nezibhambathiso zakho, owozithabatha uzise endaweni leyo aya kuyinyula uYehova;

27wenze amadini akho anyukayo, inyama negazi, esibingelelweni sikaYehova uThixo wakho; igazi lemibingelelo yakho uligalele esibingelelweni sikaYehova uThixo wakho, uyidle inyama yona.

28Gcina uwaphulaphule la mazwi onke, ndikuwisela umthetho ngawo, ukuze kulúnge kuwe nakoonyana bakho emva kwakho, kude kuse ephakadeni, xa uthe wenza okulungileyo nokuthe tye emehlweni kaYehova uThixo wakho.

29Xa athe uYehova uThixo wakho wazinqumla phambi kwakho iintlanga, apho uya kuzigqogqa khona, wazigqogqa ke, wahlala ezweni lazo:

30zigcine, hleze uthiyelwe uzilandele, emveni kokutshatyalaliswa kwazo phambi kwakho; hleze uquqele koothixo bazo, uthi, Zibe zisithini na ezi ntlanga ukubakhonza oothixo bazo? Ndiya kwenjenjalo nam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Uze ungènjenjalo kuYehova uThixo wakho; kuba yonke into elisikizi kuYehova, ayithiyileyo, ziyenzile koothixo bazo; ngokuba kwanoonyana bazo neentombi zazo zizitshisé emlilweni koothixo bazo.

32Into yonke endisukuba ndiniwisele umthetho ngayo, ize nigcine ukuyenza; uze ungòngezi kuyo unganciphisi nto.

IDuteronomi 13

Izilumkiso mayelana nezilingo zonqulo-zithixo

1Xa kuthe kwavela phakathi kwakho umprofeti nomphuphi wamaphupha, wakunika imiqondiso nezimanga,

2yabakho ke imiqondiso nezimanga azithethileyo kuwe, esithi, Masilandele thixo bambi ongabaziyo, sibakhonze:

3uze ungawaphulaphuli amazwi aloo mprofeti naloo mphuphi wamaphupha; ngokuba kusukuba enilinga uYehova uThixo wenu, ukuze azi ukuba niyamthanda na uYehova uThixo wenu ngentliziyo yenu yonke, nangomphefumlo wenu wonke.

4Nize nilandele uYehova uThixo wenu, noyike yena, nigcine imithetho yakhe, niphulaphule ilizwi lakhe, nikhonze yena, ninamathele kuye.

5Ke loo mprofeti naloo mphuphi wamaphupha makabulawe; kuba ethethe elokutyeka kuYehova uThixo wenu, owanikhuphayo ezweni laseYiputa, wanikhulula ngentlawulelo endlwini yobukhoboka; ukuba akuwexule endleleni, akuwisele umthetho ngayo uYehova uThixo wakho ukuba uhambe ngayo. Uze ubutshayele ke ububi, bungabikho phakathi kwakho.

6Xa athe umzalwana wakho, umntakanyoko, nonyana wakho, nentombi yakho, nomfazi wesifuba sakho, nommelwane wakho onjengomphefumlo wakho kuwe, wakuhenda ngasese, esithi, Masiye kukhonza thixo bambi ongabazanga, wena nooyihlo;

7koothixo bezizwe eziningqongileyo, ezikufuphi kuwe, nokuba zezikude nawe, ezithabathele esiphelweni sehlabathi, zada zesa esiphelweni sehlabathi:

8uze ungavumelani naye, ungamphulaphuli; lingabi nanceba iliso lakho kuye, ungamcongi, ungamfihli; uze umbulale afe.

9Kofika esakho isandla kuye kuqala ukuba simbulale, kwandule ukufika esabantu bonke isandla emva koko, umxulube ngamatye afe;

10ngokuba efuné ukukuwexula kuYehova uThixo wakho, owakukhuphayo ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka;

11eve onke amaSirayeli, oyike, angaphindi enze ububi obunjengobo phakathi kwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Xa uthe weva komnye umzi wemizi yakowenu, akunikayo uYehova uThixo wakho
ukuba uhlale kuwo, kusithiwa,

13Kuphumé amadoda angamatshijolo phakathi kwakho, awexula abemi bomzi wawo,
esithi, Hambani, siye kukhonza thixo bambi, eningabaziyo:

14wòphengulula, ugocagoce, ubuzise, ucokise; O! iyinyaniso, iqinisekile le nto,
lenzekile eli sikizi phakathi kwakho:

15uyze ubabulale kuthi tu abemi baloo mzi ngohlangothi lwekrele, uwusingele
phantsi, nento yonke ekuwo, kwanenkomo yawo, ngohlangothi lwekrele.

16Wowabuthela onke amaxhoba awo esazulwini sendawo yawo yembutho,
uwutshise ngomlilo loo mzi namaxhoba awo onke, ube lidini eliphelelelyo kuYehova
uThixo wakho, ube ngumwewe ongunaphakade, ungabi sakhiwa.

17Esandleni sakho makunganamatheli nento le kwezi zinto zisingelwe phantsi; ukuze
abuye uYehova ekuvutheni komsindo wakhe, abe nemfesane kuwe, asikwe
yimfesane ngawe, akwandise, njengoko wabafungeláyo ooyihlo;

18xa uthe waliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho, ukuba uyigcine yonke
imithetho yakhe endikuwiselayo namhla, ukuba ukwenze okuthe tye emehlweni
kaYehova uThixo wakho.

IDuteronomi 14

Amasiko eentlanga makangenziwa

1Ningoonyana kuYehova uThixo wenu; ize ningazicenti, ningenzi mpandla phezu
kwamehlo enu ngenxa yomfi;

2ngokuba ningabantu abangcwele kuYehova uThixo wenu; uYehova uninyulele ukuba
nibe ngabantu abayinqobo kuye, ezizweni zonke eziphezu komhlaba.

3Uze ungadli nanye into elisikizi.

4Zizo ezi izinto ezizitho ziné enozidla:

5inkomo, imvu, imbuzi, ixhama, nebhadi, nelinqa, netshabangqa, nenqu, neula,
negogo.

6Yonke into ezitho ziné ethiwe gqiphu uphuphu, ezimpuphu zicandwe zacandwa
kubini, etyisa umtyiso, ezintweni ezizitho ziné, noyidla yona.

7Zezi zodwa eningayi kuzidla kwezetyisa umtyiso, nakwezithiwe gqiphu uphuphu:
inkamela, nembila, nomvundla; ngokuba zetyisa umtyiso, ke aziluthe gqiphu
uphuphu, ziziinqambi ke kuni;

8nehagu, ngokuba iluthe gqiphu uphuphu, phofu ingetyisi, iyinqambi kuni. Inyama
yazo ize ningayidli, nesidumbu sazo ningasichukumisi.

9Ezintweni zonke ezisemanzini nozidla: zonke izinto ezinamaphiko namaxolo nozidla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ke zonke izinto ezingenamaphiko namaxolo ize ningazidli; ziziinqambi kuni.

11Zonke iintaka ezihlambulukileyo nozidla.

12Eningayi kuzidla zezi: ixhalanga, nosilwangangubo, nonomakhwezana,

13nesangxa, noontloyiya ngohlobo lwabo;

14nehlungulu lonke ngohlobo lwalo;

15nenciniba, nesihuluhulu, nengabangaba, nentambane ngohlobo lwayo;

16nesikhova, nefubesi, nenkuku yamanzi;

17nengcwangube, nenkqo, nogwidi;

18nengwamza, nokhwalimanzi ngohlobo lwakhe, nobhobhoyi, nelulwane.

19Yonke inyakanyaka enamphiko iyinqambi kuni; ize ningayidli.

20Zonke iintaka ezihlambulukileyo ningázidla.

21Ize ningayidli yonke into ezifeleyo; ungámnika owasemzini osemasangweni akho, adle; ungáthengisa ngayo kowolunye uhlanga; ngokuba ningabantu abangcwele kuYehova uThixo wenu. Uze ungalipheki itakane ngobisi lonina.

Imithetho malunga nezishumi

22Uze unikele isishumi songeniselo lonke lwembewu yakho ephuma entsimini, iminyaka ngeminyaka;

23udle phambi koYehova uThixo wakho endaweni leyo aya kuyinyulela ukuhlalisa igama lakhe kuyo, esishumini sengqolowa yakho, nesewayini yakho entsha, neseoli yakho, namazibulo eenkomo zakho, nawempahla yakho emfutshane; ukuze ufunde ukumoyika uYehova uThixo wakho yonke imihla.

24Xa indlela ithe yande kuwe, naxa uthe wakhohlwa ukusisa sona, ngokuba ikude kuwe indawo leyo uYehova uThixo wakho aya kuyinyulela ukulimisa kuyo igama lakhe, naxa athe wakusikelela uYehova uThixo wakho:

25wòsanana ngemali, uyibophe imali esandleni sakho, uye endaweni leyo aya kuyinyula uYehova uThixo wakho,

26uyanane imali ngeento zonke osukuba uzinqwenela umphefumlo wakho, ngeenkomo, nangempahla emfutshane, nangewayini, nangesiselo esinamandla, nangeento zonke ozibizayo umphefumlo wakho; udle khona phambi koYehova uThixo wakho, uvuye wena nendlu yakho.

27NomLevi osemasangweni akho uze ungamlibali, ngokuba akanasabelo nalifa ndawonye nawe.

28Ekupheleni kweminyaka emithathu, wòkhupha sonke isishumi songeniselo lwakho lwaloo mnyaka, ulufumbe emasangweni akho;

© 1975 Bible Society of South Africa.

29eze umLevi, ngokuba engenasabelo nalifa ndawonye nawe, nowasemzini, nenkedama, nomhlolokazi osemasangweni akho, badle bahluthe; ukuze akusikelele uYehova uThixo wakho emsebenzini wonke wesandla sakho owusebenzayo.

IDuteronomi 15

Umnyaka wesabatha

1Ekupheleni kweminyaka esixhenxe, uze wenze uyekelelo.

2Nali ke isiko loyekelelo: Bonke ababoleki ababoleke ngesandla sabo, mabayiyekelele into abayiboleke ummelwane wabo, bangàmmemi ummelwane wabo ongumzalwana wabo; ngokuba kumenyezwe uyekelelo lukaYehova.

3Ungámmema owolunye uhlanga; ke into eyiyeyakho ekumzalwana wakho soyiyekelela isandla sakho.

4Kodwa ke ze kungabikho hlwempu kuwe; ngokuba uYehova wokusikelela kakhulu ezweni elo, akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba libe lilifa, ulimé;

5ukuba uthe kodwa waliphulaphula ngenyameko izwi likaYehova uThixo wakho, wagcina ukuwenza wonke lo mthetho ndikuwiselayo namhla.

6Ngokuba uYehova uThixo wakho ukusikelele, njengoko wathethayo kuwe; wòboleka iintlanga ezininzi ngezibambiso, ke wena akuyi kuboleka kuzo ngazibambiso. Wòlawula iintlanga ezininzi, ke zona aziyi kukulawula.

7Xa kuthe kwakho ihlwempu kuwe ebazalwaneni bakho, nokuba kukuliphi kumasango akho, ezweni lakho akunikayo uYehova, uThixo wakho, uze ungayenzi ingqoshomba intliziyo yakho, usivale isandla sakho kumzalwana wakho olihlwempu.

8Uze usivule kakhulu isandla sakho kuye, umboleke into elingene ukuswela kwakhe aswele ngako.

9Uze uzigcine kungabikho butshijolo entliziyweni yakho, uthi, Usondele umnyaka wesixhenxe, umnyaka woyekelelo; libe libi iliso lakho ngakumzalwana wakho olihlwempu, ungamniki nto; aze akhale ngawe kuYehova, ube nesono.

10Uze umnike, ingabi mbi intliziyo yakho ekumnikeni kwakho; ngokuba ngenxa yale ndawo wókusikelela uYehova uThixo wakho emsebenzini wakho wonke, nasezintweni zonke osa isandla sakho kuzo.

11Kuba alisayi kuza lingabikho ihlwempu phakathi kwelizwe elo; ngenxa yoko ndikuwisela umthetho, ndisithi, Sivule kakhulu isandla sakho kumzalwana wakho olusizana, olihlwempu lakho ezweni lakho.

12Xa athe wazithengisa kuwe umzalwana wakho, umHebhere nokuba ngumHebherekazi, wakukhonza iminyaka emithandathu, womndulula ngomnyaka wesixhenxe ekhululekile kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Xa uthe wamndulula ekhululekile kuwe, uze ungamndululi elambatha.

14Wompha umphe empahleni yakho emfutshane, nasesandéni sakho, nasesixovulelweni sakho; umnike into akusikelelé ngayo uYehova uThixo wakho;

15ukhumbule ukuba ube ulikhoboka ezweni laseYiputa, wakukhulula uYehova uThixo wakho; ngenxa yoko ndikuwisela umthetho ngale nto namhla.

16Kothi, xa athe kuwe, Andimki kuwe; ngokuba ekuthanda wena nendlu yakho, ngokuba kulungile kuye ekuwe nje:

17uthabathe ke inyatyhowa, umhlabe ngayo endlebeni iye kuma elucangweni, abe sisicaka kuwe ngonaphakade. Nakwisicakakazi sakho uze wenjenjalo.

18Makunganqabi emehlweni akho ukumndulula kwakho ekhululekile kuwe; ngokuba kuwe unjengomqeshwa okuqeshwa kubini, ekukhonzé iminyaka emithandathu nje: wókusikelela uYehova uThixo wakho ezintweni zonke ozenzayo.

19Onke amazibulo athe azalwa ziinkomo zakho nayimpahla yakho emfutshane angamaduna, wowangcwalisa kuYehova uThixo wakho. Uze ungawasebenzisi amazibulo eenkomo zakho, ungawachebi amazibulo empahla yakho emfutshane.

20Wòwadlela phambi koYehova uThixo wakho iminyaka ngeminyaka, kuloo ndawo aya kuyinyula uYehova, wena nendlu yakho.

21Xa athe aba nesiphako, aziziqhwala, aziimfama, onke anesiphako esibi, uze ungawabingeleli kuYehova uThixo wakho.

22Wòwadlela emasangweni akho; oyinqambi nohlambulukileyo bofana ukuyidla into enjengebhadi nenjengexhama.

23Ligazi lawo lodwa eningayi kulidla; wòliphalazela emhlabeni njengamanzi.

IDuteronomi 16

Imithetho malunga nemithendeleko

1Yigcine inyanga enguAbhibhi, wenze ipasika kuYehova uThixo wakho; ngokuba wakukhupha ngenyanga enguAbhibhi uYehova uThixo wakho eYiputa ebusuku.

2Uze ubingelele ipasika kuYehova uThixo wakho, impahla emfutshane neenkomo, kuloo ndawo uYehova aya kuyinyulela ukuba alibeke kuyo igama lakhe.

3Uze ungadli nto inegwele kunye nayo; imihla yoba sixhenxe usidla izonka ezingenagwele kunye nayo, isonka seentsizi, ngokuba waphuma buphuthuphuthu ezweni laseYiputa; ukuze uwukhumbule umhla wokuphuma kwakho ezweni laseYiputa yonke imihla yokudla kwakho ubomi.

4Kuze kungàbonwa gwele emideni yakho yonke imihla esixhenxe; ze kungabikho ntwana yanyama, oyibingelelayo ngokuhlwa ngosuku lokuqala, eba ngumbeko kude kuse.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Akunako ukuyibingelela ipasika kulimbi isango, emasangweni akho akunikayo uYehova uThixo wakho;

6ke kuloo ndawo uYehova uThixo wakho aya kuyinyulela ukulibeka kuyo igama lakhe, woyibingelela apho ipasika, ngokuhlwa, ukutshona kwelanga, ngexesha owaphuma ngalo eYiputa;

7uyose, uyidle, kuloo ndawo aya kuyinyula uYehova uThixo wakho; ubuye kusasa, uye ezintenteni zakho.

8Wodla izonka ezingenagwele imihla emithandathu; ke ngomhla wesixhenxe yingqungquthela kaYehova uThixo wakho; uze ungenzi namnye umsebenzi.

9Uze uzibalele iiveki ezisixhenxe. Woqala ukuzibalela iiveki ezisixhenxe uthabathela ekulifakeni irhengqa engqoloweni ingekavunwa;

10wenze umthendeleko weeveki kuYehova uThixo wakho ngokomlinganiso wombingelelo wokuqhutywa yintliziyo wesandla sakho, uwunike njengokusikelelwa kwakho nguYehova uThixo wakho;

11uvuye phambi koYehova uThixo wakho, wena, nonyana wakho, nentombi yakho, nesicaka sakho, nesicakakazi sakho, nomLevi osemasangweni akho, nomphambukeli, nenkedama, nomhlokokazi ophakathi kwenu, kuloo ndawo aya kuyinyulela ukulibeka kuyo igama lakhe uYehova, uThixo wakho.

12Uze ukhumbule ukuba ube ulikhoboka eYiputa, uyigcine uyenze le mimiselo.

13Uze uzenzele umthendeleko weminquba imihla esixhenxe, wakukhova ukubutha okusesandeni sakho, nasesixovulelweni sakho;

14uvuye emthendelekweni wakho, wena, nonyana wakho, nentombi yakho, nesicaka sakho, nesicakakazi sakho, nomLevi, nomphambukeli, nenkedama, nomhlolokazi osemasangweni akho.

15Imihla yoba sixhenxe usenza umthendeleko kuYehova uThixo wakho, kuloo ndawo aya kuyinyula uYehova; ngokuba uYehova uThixo wakho uya kukusikela elungeniselweni lwakho lonke, nasemisebenzini yonke yezandla zakho, ube nokuvuya kuphele.

16Izihlandlo ezithathu ngomnyaka mayibonakale into yonke eyindoda ebusweni bukaYehova uThixo wakho, kuloo ndawo aya kuyinyula; ngomthendeleko wezonka ezingenagwele, nangomthendeleko weeveki, nangomthendeleko weminquba. Makangàbonakali ke engaphethe lutho ebusweni bukaYehova;

17elowo abonakale ngokupha kwesandla sakhe, ngokwentsikelelo kaYehova uThixo wakho akunikileyo.

Malunga nabagwebi

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Wòzimisela abagwebi nababhali emasangweni akho onke akunikayo uYehova
uThixo wakho, ngokwezizwe zakho, bagwebe abantu ngogwebo olulungileyo.

19Uze ungasijiki isigwebo, ungakhethi buso, ungamkeli sicengo; kuba isicengo esi
simfamekisa amehlo ezilumko, siphenule iindawo zamalungisa.

20Ubulungisa, ubulungisa obu, uze ubuphuthume, ukuze uphile, ulihluthe ilizwe elo
akunikayo uYehova uThixo wakho.

21Uze ungazigxumekeli Ashera wemithi, nokuba yiyiphi, ecaleni lesibingelelo
sikaYehova uThixo wakho, ozenzela sona;

22ungazimiseli simiso selitye, into ayithiyileyo uYehova uThixo wakho.

IDuteronomi 17

1Uze ungabingeleli kuYehova uThixo wakho nkomo nagusha inasiphako, nandawo
imbi nokuba yiyiphi; ngokuba oko kulisikizi kuYehova uThixo wakho.

Malunga nonqulo-zithixo

2Xa kuthe kwafunyanwa phakathi kwenu, nakuliphi isango emasangweni akho
akunikayo uYehova uThixo wakho, indoda nokuba yinkazana eyenze okubi
emehlweni kaYehova uThixo wakho ngokugqitha umnqophiso wakhe;

3yaya, yakhonza thixo bambi, yazinqula, ilanga, nenyanga, nomkhosi wonke
wasezulwini, into endingawisanga mthetho ngayo;

4waxelelwa ke, weva, wabuza wacokisa, wafumana iyinyaniso, iqinisekile le nto,
lenzekile eli sikizi kwaSirayeli:

5woyikhupha loo ndoda, nokuba yiloo nkazana, iyenzileyo loo nto imbi,
emasangweni akho, loo ndoda nokuba yiloo nkazana uyixulube ngamatye, ife.

6Ofanele ukuba wobulawa ngomlomo wamangqina amabini, nokuba ngamangqina
amathathu; makangabulawa ngomlomo wangqina linye.

7Kofika kuqala kuye isandla samangqina ukumbulala, kufike isandla sabantu bonke
emveni koko; ubutshàyele ke ububi, bungabikho phakathi kwakho.

Imicimbi efanele ukugwetywa ngababingeleli nabagwebi

8Xa ithe yakunqabela indawo ekugwebeni phakathi kwegazi negazi, phakathi
kwetyala netyala, phakathi kobetho nobetho, iziindawo ekubanjwene ngazo
emasangweni akho: wosuka unyuke uye kuloo ndawo aya kuyinyula uYehova uThixo
wakho;

9uye kubabingeleli abaLevi, nakumgwebi oya kubakho ngaloo mihla, ubuze,
bakuxelele ilizwi lokugweba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Uze wenze ngokwentetho yelizwi abokuxelela lona, bekuloo ndawo aya kuyinyula
uYehova; ugcine ukwenza ngako konke abaya kukuyala ngako.

11Ngokwentetho yomyalelo abaya kukuyala ngayo, nangokwesigwebo abaya
kusithetha kuwe, uze wenze, ungatyeki kulo ilizwi abaya kukuxelela, uye ekunene
nasekhohlo.

12Indoda leyo ethe yenza ngokukhukhumala, ingamphulaphuli umbingeleli omiyo,
olungiselela khona kuYehova uThixo wakho, nomgwebi lowo: mayife loo ndoda;
ubutshàyele ke ububi, bungabikho kwaSirayeli;

13bova ke bonke abantu, boyike, bangabi sakhukhumala.

Ukunyulwa kukakumkani neemfanelo zakhe

14Xa uthe wafika kulo ilizwe akunika lona uYehova uThixo wakho, walihlutha, wema
kulo, wathi, Ndiya kuzimisela ukumkani njengeentlanga zonke ezindijikelezileyo:

15Wòzimisela ukumkani aya kumnyula uYehova uThixo wakho, uzimisele ukumkani
wakubazalwana bakho. Akungekhe uzimisele ndoda yolunye uhlanga,
engengumzalwana wakho.

16Kodwa makangàzandiseli mahashe, angababuyiseli abantu eYiputa ukuze andise
amahashe; ngokuba uYehova wathi kuni, Ize ningabi saphinda nibuye ngaloo ndlela.

17Makangazandiseli bafazi, ize ityeke intliziyo yakhe; angazandiseli kakhulu silivere
nagolide.

18Wóthi, xenikweni athe wahlala etroneni yobukumkani bakhe, azibhalele impinda
yombhalo yaló myalelo encwadini, ethabatha kwephambi kwababingeleli abaLevi.

19Yoba ngakuye alese kuyo imihla yonke yobomi bakhe, ukuze afunde ukumoyika
uYehova uThixo wakho, nokuwagcina onke amazwi alo myalelo nale mimiselo, ukuba
awenze;

20ukuba ingaphakami intliziyo yakhe phezu kwabazalwana bakhe, angatyeki
emthethweni, aye ekunene nasekhohlo; ukuze ayolule imihla ebukumkanini bakhe,
yena noonyana bakhe phakathi kwamaSirayeli.

IDuteronomi 18

Amalungelo ababingeleli nabaLevi

1Ababingeleli, abaLevi, sonke isizwe sabaLevi, mabangabi nasabelo nalifa kunye
namaSirayeli; bodla ukudla kwasemlilweni ke kukaYehova, nelifa lakhe.

2Mabangabi nalifa phakathi kwabazalwana babo; nguYehova ilifa labo, njengoko
wathethayo kubo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Soba sesi ke isilunga sababingeleli, esiphuma ebantwini, esiphuma kwababingelela imibingelelo, nokuba yinkomo, nokuba yigusha: bomnika umbingeleli umkhono, nemihlathi, neswili.

4Wòmnika ulibo lwengqolowa yakho, nolwewayini yakho entsha, nolweoli yakho; noboya bokuqala bomchebo wempahla yakho emfutshane.

5Ngokuba uYehova uThixo wakho wamnyula ezizweni zakho zonke, ukuba eme alungiselele egameni likaYehova, yena noonyana bakhe, yonke imihla.

6Xa athe weza umLevi ephuma nakuliphi isango emasangweni akho, kuwo onke amaSirayeli, apho aphambukele khona, weza ngokunqwena konke komphefumlo wakhe kuloo ndawo aya kuyinyula uYehova,

7walungiselela egameni likaYehova uThixo wakhe, njengabazalwana bakhe bonke abaLevi, abamiyo khona phambi koYehova:

8wòdla isabelo njengabanye; ibe yodwa yona intengiso yakhe ngezinto zezindlu zooyise.

Iziyalo ngamasikizi eentlanga

9Xa uthe wafika kulo ilizwe akunikayo uYehova uThixo wakho, uze ungafundi ukwenza amasikizi ezo ntlanga.

10Maze kungàfunyanwa namnye kuwe ucandisa unyana wakhe nentombi yakhe emlilweni, novumisayo, nolitola, nohlaba izihlabo, nokhafulayo,

11nobopha ngomabophe, nobuza koneshologu, nosiyazi, noquqela kwabafileyo.

12Kuba balisikizi kuYehova bonke abenza ezo zinto; kungenxa yaloo masikizi, le nto uYehova uThixo wakho azigqogqayo zingabikho ebusweni bakho.

13Uze ugqibelele ukuba noYehova uThixo wakho.

14Kuba ezi ntlanga uzigqogqayo zaphulaphula amatola nabavumisi; ke wena akakunikanga okunjalo uYehova uThixo wakho.

Isimilo nomsebenzi womprofeti

15UYehova uThixo wakho uya kunivelisela umprofeti ophuma phakathi kwenu, kubazalwana benu, onjengam; ize niphulaphule yena;

16njengako konke owakucelayo kuYehova uThixo wakho, eHorebhe ngomhla wesikhungu, usithi, Mandingaphindi ndilive ilizwi likaYehova uThixo wam, nalo mlilo mkhulu mandingabi sawubona, ukuze ndingafi.

17Wathi ke uYehova kum, balungisile ukutsho;

18ndiya kubavelisela umprofeti ephuma phakathi kwabazalwana babo, onjengawe; ndiwabeke amazwi am emlonyeni wakhe, athethe kubo konke endiya kubawisela umthetho ngako.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Kothi ke, kulowo uthe akaliphulaphula ilizwi lam, aya kulithetha egameni lam, mna ndiyibuze loo nto kuloo mntu.

20Kodwa umprofeti yena othe wakhukhumala, wathetha ilizwi egameni lam, endingamwiselanga mthetho ukuba alithethe, nothe wathetha egameni lathixo bambi: loo mprofeti makafe.

21Xa ke uthe entliziyweni yakho, Sothini na ukulazi ilizwi angàlithethanga uYehova?

22ilizwi, athe walithetha umprofeti egameni likaYehova, alabakho, alehla: lelo ilizwi angàlithethanga uYehova. Úthethé ngokukhukhumala umprofeti lowo; ùze unganxunguphaliswa nguye.

IDuteronomi 19

Imizi yokusabela

1Xa athe uYehova uThixo wakho wazinqumla iintlanga ezo akunika ilizwe lazo uYehova uThixo wakho, wazigqogqa wena, wahlala emizini yazo nasezindlwini zazo:

2wòzahlulela imizi emithathu phakathi kwelizwe lakho, akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba ulimé;

3uzilungisele indlela, uwahlule ube zahlulo zithathu umda welizwe lakho, aya kukudlisa ilifa lalo uYehova uThixo wakho, ukuze bonke ababulali basabele khona.

4Lilo eli isiko awophathwa ngalo umbulali, othe wasabela khona ukuba asinde: Othe wambulala ummelwane wakhe ngengozi, ebengamthiyile ngaphambili;

5waya nommelwane wakhe ehlathini, esiya kugawula imithi, isandla sakhe sajiwula izembe, enqumla imithi, yaphunyuka intsimbi emphinini, yabetha kummelwane wakhe, wafa: lowo wosabela komnye umzi kuloo mizi, asinde;

6hleze umphindezeli wegazi amsukele umbulali lowo, kuba ishushu intliziyo yakhe, amfumane ngokuba nde kwendlela, ambulale afe; engafanele kufa, kuba ebengamthiyile ngaphambili.

7Ngenxa yoko ndikuwisela umthetho, ndisithi, Wòzahlulela imizi emithathu.

8Ke ukuba uYehova uThixo wakho uthe wawenza banzi umda wakho, njengoko wafungayo kooyihlo, wakunika lonke elo zwe, awathi wobanika lona ooyihlo;

9xa uthe wawugcina ukuba uwenze, lo mthetho wonke ndikuwisela wona namhla, ukuba umthande uYehova uThixo wakho, uhambe ngeendlela zakhe imihla yonke; ùsaya kuyongeza imizi ibe mithathu kule mithathu;

10ukuze kungaphalazwa gazi lingenatyala phakathi kwelizwe lakho, akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba libe lilifa, amagazi abe phezu kwakho.

11Xa athe umntu wamthiya ummelwane wakhe, wamlalela, wamvunukela, wambulala, wafa; wasabela komnye umzi kuloo mizi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

12amadoda amakhulu omzi wakhe othumela, amthabathe khona, amnikele esandleni
somphindezeli wegazi, ambulale, afe.

13Ze lingabi nanceba iliso lakho kuye; wòlitshayela ke igazi elingenatyala, lingabikho
kwaSirayeli, kulúnge kuwe.

Izohlwayo zenkohliso nobungqina obubuxoki

14Uze ungawushenxisi umlimandlela wommelwane wakho, abawumisáyo
abamandulo elifeni lakho, oya kulidla ezweni elo akunikayo uYehova uThixo wakho
ukuba ulimé.

15Ze kungesuki kume ngqina linye ngomntu ngenxa yobugwenxa, nokuba bubuphi
na, nangenxa yesono nokuba sisiphi, esonweni nokuba sisiphi oné ngaso; lize limiswe
ilizwi ngomlomo wamangqina amabini, nokuba kungomlomo wamangqina
amathathu.

16Xa kuthe kwema ingqina elifumana limbopha umntu, ukuba lingqine okutyekileyo
ngaye,

17loo madoda mabini abambeneyo oma phambi koYehova, phambi kwababingeleli
nabagwebi abaya kubakho ngaloo mihla; bancine abagwebi.

18Ukuba ke ingqina lilingqina lobuxoki, lingqiné ubuxoki ngomzalwana walo, ize
nenze kulo,

19njengoko belicinga ukwenza ngako kumzalwana walo; nibutshayele ke ububi,
bungabikho phakathi kwenu.

20Bova abanye, boyike, kungabi saphindwa kwenziwe ngokwale ndawo imbi phakathi
kwenu.

21Ze lingabi nanceba iliso lakho: umphefumlo wóbuyiselwa ngomphefumlo, iliso
ngeliso, izinyo ngezinyo, isandla ngesandla, unyawo ngonyawo.

IDuteronomi 20

Imithetho yemfazwe

1Xa uthe waphuma waya kulwa neentshaba zakho, waza wabona amahashe
neenqwelo zokulwa, abantu abaninzi kunawe, uze ungaboyiki; ngokuba únawe
uYehova uThixo wakho, owakunyusayo ezweni laseYiputa.

2Kothi ke, xenikweni nithe nasondela ekulweni, afike umbingeleli, athethe ebantwini,
athi kubo, Yiva, Sirayeli!

3Nisòndele namhla ekulweni neentshaba zenu; mayingathambi intliziyo yenu, musani
ukoyika, musani ukuphakuzela, musani ukungcangcazela ebusweni bazo;

4ngokuba uYehova uThixo wenu uhamba nani, ukuba anilwele kwiintshaba zenu,
anisindise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ababhali bothetha ebantwini, bathi, Ngubani na umntu owakhé indlu entsha, akayisungula? Makahambe abuyele endlwini yakhe, hleze afe emfazweni, isungulwe mntu wumbi.

6Ngubani na umntu otyele isidiliya, akadla kuso? Makahambe abuyele endlwini yakhe, hleze afe emfazweni, sidliwe mntu wumbi.

7Ngubani na umntu ogane umfazi, akamzeka? Makahambe abuyele endlwini yakhe, hleze afe emfazweni, azekwe mntu wumbi.

8Boqokela ababhali bathethe ebantwini, bathi, Ngubani na umntu owoyikayo, ontliziyo ithambileyo? Makahambe abuyele endlwini yakhe, inganyibiliki intliziyo yabazalwana bakhe, njengentliziyo yakhe.

9Kothi bakugqiba ababhali ukuthetha ebantwini, bamise abathetheli bemikhosi bokukhokela abantu.

10Xa uthe wasondela emzini, usiya kulwa nawo, womemeza uxolo kuwo;

11kuthi, ukuba úthe wakuphendula ngoxolo wakuvulela, bonke abantu abafunyenwe kuwo babe ngabafakwa uviko, bakukhonze.

12Ke ukuba úthe awaxola nawe, wesuka wenza imfazwe nawe, wòwungqinga wena.

13Ukuba úthe uYehova uThixo wakho wawunikela esandleni sakho, woyibulala yonke into eyindoda kuwo ngohlangothi lwekrele;

14kodwa abafazi, nabantwana, neenkomo, neento zonke ezithe zabakho kuloo mzi, amaxhoba awo onke, wòwathimbela kuwe, uwadle amaxhoba eentshaba zakho akunikileyo uYehova uThixo wakho.

15Ùya kwenjenjalo kuyo yonke imizi ekude kakhulu kuwe, engeyiyo yona imizi yezi ntlanga.

16Kodwa emizini yezi zizwe akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba ibe lilifa, uze ungasindisi nanye into ephefumlayo.

17Wòwasingela phantsi kanye amaHeti, nama-Amori, namaKanan, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi, njengoko wakuwiselayo umthetho uYehova uThixo wakho;

18ukuze banganifundisi ukwenza amasikizi abo onke abawenze koothixo babo; none kuYehova uThixo wenu.

19Xa nithe ke nenza iintsuku niwungqingile umzi, nisilwa nawo ukuba niwuhluthe, uze ungayonakalisi imithi yawo ngokuyixabela ngezembe; kuba ùya kudla kuyo. Uze ungayigawuli; kuba umthi wasendle ungumntu na, ukuba ungqingwe nguwe?

20Ngumthi owaziyo ukuba asimthi udliwayo wodwa owowonakalisa, uwugawule, wakhe izinto zokungqinga umzi olwa nawo, ude uwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IDuteronomi 21

Intlawulo yembulalo engaziwayo

1Xa kuthe kwafunyanwa obuleweyo kuwo umhlaba akunikayo uYehova uThixo
wakho ukuba uwumé, equngquluzile endle, àkwaziwa ukuba ubulewe ngubani na:

2ophuma amadoda amakhulu akowenu, nabagwebi bakowenu, alinganise, asingise
emizini emjikelezileyo lowo ubuleweyo.

3Kothi ke, umzi osondeleyo kobuleweyo, amadoda amakhulu aloo mzi athabathe
ithokazi lenkomo, elingasetyenziswanga, elingatsalanga ngadyokhwe;

4ahle amadoda amakhulu nethokazi, aye emfuleni ohlala unamanzi, ongalinywanga,
ongahlwayelwanga, alaphule intamo ithokazi emfuleni apho.

5Bofika ababingeleli, oonyana bakaLevi; ngokuba unyulé bona uYehova uThixo
wakho, ukuba balungiselele kuye, basikelele egameni likaYehova; kume ngokomlomo
wabo ukubambana konke, nokubetha konke.

6Onke amadoda amakhulu aloo mzi usondeleyo kobuleweyo ozihlamba izandla zawo
phezu kwethokazi, elaphulwe intamo emfuleni apho;

7aphendule, athi, Izandla zethu aziliphalazanga eli gazi, namehlo ethu akabonanga;

8camagu, Yehova, kubantu bakho amaSirayeli owawakhululayo; musa ukubeka igazi
elingenatyala phakathi kwabantu bakho amaSirayeli.

9Bolicanyagushelwa ke igazi. Wolitshayela ke wena igazi elingenatyala, lingabikho
phakathi kwakho, xa uthe wenza okuthe tye emehlweni kaYehova.

Ukwenda kwabafazi abathinjiweyo

10Xa uthe waphuma, waya kulwa neentshaba zakho, wazinikela uYehova uThixo
wakho esandleni sakho, wathimba abathinjwa kuzo,

11wabona phakathi kwabathinjwa intokazi emzimba mhle, wathana nca nayo,
wayizeka yaba ngumkakho:

12woyingenisa phakathi endlwini yakho, ichebe intloko yayo, inqumle iinzipho zayo,

13iyisuse kuyo ingubo yokuthinjwa kwayo, ihlale endlwini yakho, imlilele uyise nonina
inyanga iphela. Emveni koko woyingena, ube yindoda yayo, yona ibe ngumkakho.

14Kothi ukuba uthe akwayinanza, uyindulule iye ekuthandeni kwayo; ungakhe
uthengise ngayo ngemali, ungayiphathi kakubi, uyonile nje.

Ilungelo lobuzibulo

15Xa ithe indoda yanabafazi ababini, omnye ethandwa, omnye ethiyiwe, bayizalela
oonyana, lowo uthandwayo nalowo uthiyiweyo; ke unyana wamazibulo waba
ngowothiyiweyo:

© 1975 Bible Society of South Africa.

16kothi mini ibabèla ilifa lento enayo oonyana bayo, ingabi nako ukumenza owamazibulo unyana wothandwayo, phambi konyana wothiyiweyo ongowamazibulo;

17kuba owamazibulo, unyana lo wothiyiweyo, yomazalelela, imnike izahlulo ezibini zento yonke eya kufunyanwa inayo; ngokuba eyingqalo yokuqina kwayo, bulungé nayo ubuzibulo.

Isohlwayo sonyana oyinjubaqa

18Xa indoda ithe yanonyana oyinjubaqa, oneenkani, ongaliphulaphuliyo ilizwi likayise nelizwi lonina, bambetha, akabaphulaphula noko:

19uyise nonina bombamba baphume naye, baye kumadoda amakhulu omzi wakowabo, nasesangweni laloo ndawo yakowabo;

20bathi kumadoda amakhulu omzi wakowabo, Lo nyana wethu uyinjubaqa, uneenkani, akaliphulaphuli ilizwi lethu, ulidlakudla, ulinxila.

21Omgibisela ngamatye onke amadoda omzi wakowabo, afe; ubutshàyele ke ububi, bungabikho phakathi kwakho, eve onke amaSirayeli, oyike

Ukungcwatywa kwabaxhonywe emthini

22Xa ithe indoda yaba nesono esifanelwe kukufa, yabulawa, yaxhonywa emthini,

23isidumbu sayo masingalali emthini. Wòsingcwaba kwangaloo mini, ngokuba oxhonyiweyo usisiqalekiso kuThixo; uze ungawenzi inqambi umhlaba wakho akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba ube lilifa.

IDuteronomi 22

Imithetho ngemithetho

1Uze ungàthi, uyibona inkomo yomzalwana wakho, nokuba yigusha yakhe, ilahleka, uzisithelise kuyo; wòyibuyisela nokuba kutheni kumzalwana wakho.

2Ke, ukuba akasondelelene nawe umzalwana wakho, akumazi, wòzihlanganisela ekhayeni lakho, zibe kuwe, ade azifune umzalwana wakho, uzibuyisele kuye ke.

3Ùya kwenjenjalo kwiesile lakhe, wenjenjalo kwingubo yakhe, wenjenjalo kwinto yonke yomzalwana wakho elahlekileyo, ethe yalahleka kuye wayifumana wena; akunakuzisithelisa kuyo.

4Uze ungàthi, ulibona iesile lomzalwana wakho, nokuba yinkomo yakhe, iwile endleleni, uzisithelise kuyo; wòmncedisa ukuyivusa.

5Impahla yendoda ize inganxitywa yinkazana, nendoda ize ingazinxibi iingubo zenkazana; ngokuba bangamasikizi kuYehova uThixo wakho bonke abenza ezo zinto.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Xa uthe waqubisana nendlu yentaka endleleni, nokuba kusemthini, nokuba kusemhlabeni, nokuba imathole, nokuba imaqanda, unina ehleli phezu kwamathole lawo, nokuba kuphezu kwamaqanda: uze ungamthabathi unina kunye namathole.

7Wòmndulula unina lowo, uzithabathele amathole lawo, ukuze kulúnge kuwe, uyolule imihla yakho.

8Xa uthe wakha indlu entsha, wolwenzela ungqameko uphahla lwakho, ukuze ungazisi magazi endlwini yakho, xa athe wawa owayo kuyo.

9Uze ungasihlwayeli isidiliya sakho iintlobo ezimbini zeembewu; hleze inzala yembewu oyihlwayeleyo, kunye nongeniselo lwesidiliya eso, lulunge kwindawo engcwele.

10Uze ungalimi ngenkomo ne-esile kunye.

11Uze ungambathi ingubo engumxube, uboya nelinen ndawonye.

12Uze uzenzele iintshinga emasondweni omané engubo ozigubungela ngayo.

Imithetho malunga nobumsulwa

13Xa indoda ithe yazeka umfazi,

14yamngena, yaza yamthiya, yathetha ngaye iintlondi ezibangela intetho, yamvelisela igama elibi, yathi, Ndimzekile lo mfazi, ndasondela kuye, andazifumana iimpawu zobuntombi kuye:

15uyise wentombi nonina bozithabatha iimpawu zobuntombi bentombi leyo, baphume nazo bazisé kumadoda amakhulu omzi esangweni.

16Wóthi uyise wentombi kumadoda amakhulu, Intombi yam ndiyinike lo mfo ukuba ibe ngumkakhe, wayithiya;

17yabonani, uthethe iintlondi ezibangela intetho, esithi, Andizifumananga iimpawu zobuntombi entombini yakho; ke nanzi iimpawu zobuntombi bentombi yam. Boyaneka ke ingubo enazo phambi kwamadoda amakhulu omzi.

18Amadoda amakhulu aloo mzi omthabatha loo mfo, ambethe,

19amhlahlise ikhulu leeshekele zesilivere, anike uyise wentombi; ngokuba wayivelisela igama elibi intombi yakwaSirayeli; ibe ngumkakhe ke. Akayi kuba nakuyala yonke imihla yakhe.

20Ke ukuba eli lizwi lithe layinyaniso, azafumaneka iimpawu zobuntombi baloo ntombi,

21oyikhupha loo ntombi, ayimise ngasemnyango wendlu kayise, ayigibisele ngamatye amadoda omzi wakowayo, ife; ngokuba yenzé ubudenge kwaSirayeli, yahenyuza endlwini kayise; ubutshayele ke ububi, bungabikho phakathi kwenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Xa indoda ithe yafunyanwa imlele umkamntu, bofa bobabini, loo ndoda ilele naloo mfazi, nomfazi lowo; ubutshàyele ke ububi, bungabikho kwaSirayeli.

23Xa kuthe kwakho inkazana eyintombi eganelwe indoda, wayifumana umfo phakathi komzi, wayilala:

24nobakhupha bobabini nibamise ngasesangweni laloo mzi, nibaxulube ngamatye, bafe; inkazana leyo, ngenxa yokuba ingakhalanga iphakathi komzi; umfo lowo, ngenxa yokuba emonile umfazi wommelwane wakhe; ubutshàyele ke ububi, bungabikho phakathi kwakho.

25Ukuba umfo uthe wayifumana endle intombi eseliganiwe, wayibamba loo mfo, wayilala, wofa yedwa loo mfo uyileleyo.

26Uze ungayenzi into intombi leyo; akukho sono silingenwe kukufa entombini; ngokuba njengoko indoda ithi imvunukele ummelwane wayo, imbulale afe, injalo le ndawo.

27Ngokuba úyifumene endle, yakhala intombi eganiweyo, akwabakho uyisindisayo.

28Xa umfo athe wayifumana intombi eyintombi engàganiweyo, wayibamba, wayilala; kwafumaneka ukuba kunjalo:

29loo mfo uyileleyo wómnika uyise wentombi amashumi omahlanu eeshekele zesilivere, ibe ngumkakhe, ngenxa yokuba eyonile. Akanakuyala yonke imihla yakhe.

30Indoda mayingamzeki umkayise, ingalityhili isondo lengubo kayise.

IDuteronomi 23

Imithetho ngemithetho

1Makangangeni ebandleni likaYehova olinyazwe ngokutyunyuzwa amasende, nonqanyulwe ubudoda.

2Makungangeni mgqakhwe ebandleni likaYehova; nesizukulwana sawo seshumi masingangeni ebandleni likaYehova.

3Makangangeni ebandleni likaYehova umAmon nomMowabhi; nesizukulwana sabo seshumi masingangeni ebandleni likaYehova naphakade;

4ngenxa yokuba benganikhawulelanga ngesonka nangamanzi endleleni, ekuphumeni kwenu eYiputa; nangenxa enokuba bakuqeshela uBhileham unyana kaBhehore, wasePetore kwa-Aram phakathi kwemiLambo, ukuba akuqalekise.

5Àkavuma ke uYehova uThixo wakho ukumphulaphula uBhileham; usuke uYehova uThixo wakho wakuguqulela isiqalekiso saba yintsikelelo; ngokuba ubekuthanda uYehova uThixo wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Uze ungalukhathaleli naphakade uxolo lwabo nokuhlala kwabo kakuhle, yonke imihla yakho.

7Aze angabi lisikizi kuwe umEdom, ngokuba ngumzalwana wakho; aze angabi lisikizi kuwe umYiputa, ngokuba ube ungumphambukeli ezweni lakhe.

8Oonyana abathe babazala, abasisizukulwana sabo sesithathu, bongena ebandleni likaYehova.

9Xa uthe waphuma umkhosi, waya ezintshabeni zakho, uze uzigcine kwinto yonke embi.

10Xa kuthe kwakho kuwe indoda engahlambulukileyo, ngenxa yento eyihleleyo ebusuku, yophuma iye ngaphandle kweminquba; mayingangeni phakathi kweminquba.

11Kothi, xa kuhlwayo, ihlambe ngamanzi; ithi lakutshona ilanga, ingene ke ngaphakathi kweminquba.

12Wòba nendawo engaphandle kweminquba, uphume ke uye khona endle.

13Uze ube nolungxa empahleni yakho; kuthi ekuhlaleni phantsi kwakho endle, umbe ngalo, uhlale phantsi, ukuselele okuphuma kuwe;

14ngokuba uYehova uThixo wakho uhambahamba phakathi kweminquba yakho, ukuba akuhlangule, azinikele iintshaba zakho kuwe. Ize icokiseke iminquba yakho, angaboni nto iziintloni kuwe, ajike emke kuwe.

15Uze ungasinikeli enkosini yaso isicaka esisabele kuwe, sisuka enkosini yaso.

16Sohlala nawe phakathi kwenu, kuloo ndawo sithe sayinyula kwelinye isango emasangweni akho, apho kusilungele khona; uze ungasixinzeleli phantsi.

17Makungabikho ng'awukazi kwindawo engcwele ezintombini zakwaSirayeli; makungabikho sifebe kwindawo engcwele koonyana bakaSirayeli.

18Uze ungalungenisi utsheqo lwehenyukazi nomvuzo wenja endlwini kaYehova uThixo wakho, ngenxa yesibhambathiso nokuba sisiphi; ngokuba zingamasikizi kuYehova zombini ezo zinto.

19Uze ungambizi nzala umzalwana wakho: nzala yamali, nzala yakutya, nzala nokuba yeyani ekubizwa inzala ngayo.

20Wobiza inzala kowolunye uhlanga; uze ungabizi nzala kumzalwana wakho, ukuze akusikelele uYehova uThixo wakho ezintweni zonke osisa kuzo isandla sakho, kulo ilizwe ongena kulo ukuba ulimé.

21Xa uthe wabhambathisa isibhambathiso kuYehova uThixo wakho, uze ungalibali ukusizalisa; ngokuba uYehova uThixo wakho uya kusibiza kuwe, kube sisono kuwe.

22Ke xa uthe wayeka, akwabhambathisa, akuyi kuba sono oko kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Okuphume emlonyeni wakho kugcine, ukwenze; njengoko ubhambathise ngako
kuYehova uThixo wakho ngokuqhutywa yintliziyo, wakuthetha ngomlomo wakho.

24Xa uthe wangena esidiliyeni sommelwane wakho, ungáyidla idiliya uzifikisele,
uhluthe, kodwa ungagaleli esityeni sakho.

25Xa uthe wangena engqoloweni yommelwane wakho, engekavunwa, wokha
izikhwebu ngesandla sakho; ungàfaki rhengqa engqoloweni yommelwane wakho
engekavunwa.

IDuteronomi 24

Imithetho ngemithetho

1Xa ithe indoda yazeka umfazi, yayindoda yakhe, kothi ke ukuba uthe akafumana
ukubabalwa emehlweni ayo, ngokuba ifumene iindawo eziziintloni kuye, yambhalela
incwadi yokumala, yamnikela esandleni, yamgxotha endlwini yayo;

2waphuma endlwini yayo, waya waba ngowandoda yimbi;

3yamthiya le ndoda iyiyimbi, yambhalela incwadi yokumala, yamnikela esandleni,
yamgxotha endlwini yayo; nokuba ithe yafa le ndoda iyiyimbi yamzekayo
wangumkayo:

4mayingabi nako indoda yakhe yokuqala eyamgxothayo, ukubuya imzeke abe
ngumkayo, emveni kokuba enziwe inqambi; ngokuba lisikizi elo kuYehova. Uze
ungalenzi, ukuba lone ilizwe elo akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba libe lilifa.

5Xa indoda ithe yazeka umfazi omtsha, mayingaphumi nomkhosi, ingàphathiswa
msebenzi nawuphi. Yokhululeka ngenxa yendlu yayo umnyaka ube mnye, ivuyisane
nomkayo emzekileyo.

6Makangenziwa sibambiso amatye okusila, nokuba lelingaphezulu, kuba oko
kukubambisa ngomphefumlo.

7Xa ithe indoda yafunyanwa isiba umntu ebazalwaneni bayo, oonyana bakaSirayeli,
imphathe kakubi, ithengise ngaye njengekhoboka: malife elo sela; ubutshàyele ke
ububi, bungabikho phakathi kwakho.

8Zigcine esibethweni seqhenqa, ugcine kunene, wenze ngokwezinto zonke abaya
kuniyala ngazo ababingeleli, abaLevi; njengoko ndabawisela umthetho, nigcine
ukwenza.

9Khumbula oko uYehova uThixo wakho wakwenza kuMiriyam endleleni, ekuphumeni
kwenu eYiputa.

10Xa uthe wamboleka ummelwane wakho nokuba yintoni ebolekwayo, uze
ungangeni endlwini yakhe, uye kuthabatha isibambiso kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Uze ume ngaphandle, ithi loo ndoda uyibolekayo iphume, isizise kuwe isibambiso eso.

12Ukuba indoda ithe yaba iswele, uze ungalali unesibambiso sayo;

13wosibuyisela kuyo isibambiso eso ukutshona kwelanga, ilale ngengubo yayo, ikusikelele, ube nobulungisa phambi koYehova uThixo wakho.

14Uze ungamcudisi umqeshwa ongaba uswele, olihlwempu, nokuba ngowabazalwana bakho, nokuba ngowabaphambukeli bakho abasezweni lakho, emasangweni akho.

15Ngemini yakhe wòmnika umvuzo wakhe, lingatshoni ilanga usekuwe; ngokuba eswele, ewumise umphefumlo wakhe kuwo; hleze akhale ngawe kuYehova, oko ke kube sisono kuwe.

16Ooyise mabangabulawa ngenxa yoonyana; oonyana mabangabulawa ngenxa yooyise; elowo makabulawe ngesono sakhe.

17Uze ungasijiki isigwebo sowasemzini nesenkedama; ungayenzi isibambiso ingubo yomhlolokazi.

18Khumbula ukuba ube ulikhoboka eYiputa. UYehova uThixo wakho wakukhulula khona; ngenxa yoko ndikuwisela umthetho ukuba uyenze le nto.

19Xa uthe waluvuna uvuno lwakho entsimini yakho, walibala isithungu entsimini, uze ungabuyi uye kusithabatha; soba sesomphambukeli, nesenkedama, nesomhlolokazi, ukuze uYehova uThixo wakho akusikelele emsebenzini wonke wezandla zakho.

20Xa uthe wawuvuthulula umnquma wakho, uze ungaphindi uwavuthulule amasebe emva kwakho; wóba ngowomphambukeli, nowenkedama, nowomhlolokazi.

21Xa uthe wasivuna isidiliya sakho, uze ungasibhikici emva kwakho; soba sesomphambukeli, nesenkedama, nesomhlolokazi;

22ukhumbule ukuba ube ulikhoboka ezweni laseYiputa. Ngenxa yoko ndikuwisela umthetho ukuba uyenze le nto.

IDuteronomi 25

Imithetho ngemithetho

1Xa kuthe kwabambana amadoda, kweziwa ematyaleni ukuba lithethwe ityala lawo, ize igwetyelwe elilungisa, igwetywe engendawo;

2kothi ke, ukuba ithe engendawo yafanelwa kukubethwa umgwebi ayilalise phantsi, ibethwe phambi kwakhe, ngokulingene nokungabi ndawo kwayo, ngokwenani.

3Yobethwa imivumbo emashumi mané, kungòngezwa; hleze kwakongezwa yabethwa imivumbo emininzi ngaphezu kwaleyo, acukucezeke umzalwana wakho emehlweni akho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Uze ungayibophi umlomo inkomo ibhula.

5Xa bathe bahlala ndawonye abantu bezalana, wafa omnye kubo engenanyana, umfazi wofileyo makangendeli kwindoda yasemzini, yangaphandle; ozalana nendoda yakhe maze amngene, amzeke, abe ngumkakhe, enze kuye okozalana nendoda yakhe.

6Wóthi ke owamazibulo, athe wamzala, eme egameni lomfi lowo, lingàcinywa igama lakhe kwaSirayeli.

7Ke ukuba indoda leyo ithe àyakunanza ukumzeka umkamfi lowo, wonyuka umkamfi lowo, aye esangweni kumadoda amakhulu, athi, Laa mntu uzalana nendoda yam akavumi ukumvelisela umntakayise igama kwaSirayeli, akavumi ukwenza kum okozalana nendoda.

8Oyibiza ke amadoda amakhulu omzi wayo, athethe kuyo; ime, ithi, Andikunanzile ukumzeka;

9afike kuyo umkamfi lowo phambi kwamadoda amakhulu, ayikhulule imbadada elunyaweni lwayo, ayitshicele ebusweni, aphendule athi, Makwenjiwe nje kwindoda engayi kuyakha indlu yomntu ozalana nayo.

10Kothiwa ke igama layo kwaSirayeli nguNdlw-ikhululwe-imbadada.

11Xa kuthe kwantlalana amadoda amabini, umntu nomzalwana wakhe, wasondela umfazi wenye, ukuba ahlangule indoda yakhe esandleni seyibethayo, wolula isandla sakhe, wayibamba ngamaphambili,

12wòsinqumla isandla sakhe, lingabi nanceba iliso lakho.

13Uze ungabi namatye ngamatye okulinganisa engxoweni yakho, amakhulu namancinane.

14Uze ungabi nee-efa ngee-efa endlwini yakho, enkulu nencinane;

15uze ube nelitye elizalisekileyo, elilelobulungisa; uze ube ne-efa ezalisekileyo, eyiyeyobulungisa, ukuze yolulwe imihla yakho emhlabeni lowo akunikayo uYehova uThixo wakho.

16Ngokuba bangamasikizi kuYehova uThixo wakho bonke abenza loo nto, bonke abenza ubumenemene.

17Khumbula loo nto wayenzayo uAmaleki kuwe endleleni, ekuphumeni kwenu eYiputa;

18owakuhlangabezayo ngendlela, wabetha kuwo umqosheliso wakho, bonke abaphelelweyo abasemva kuwe, útyhafile, údiniwe; akamoyika uThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Kothi, ekukuphumzeni kukaYehova uThixo wakho ezintshabeni zakho zonke ngeenxa zonke, ezweni elo akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba libe lilifa ulimé, usicime isikhumbuzo sika-Amaleki phantsi kwezulu; uze ungalibali.

IDuteronomi 26

Ukunikelwa kolibo nezishumi

1Kothi, xa uthe wangena ezweni elo akunikayo uYehova uThixo wakho ukuba libe lilifa, walihlutha, wema kulo:

2uthabathe inxenye yolibo lweziqhamo zonke zomhlaba oya kuzingenisa, ziphuma ezweni lakho akunikayo uYehova uThixo wakho, uzibeke engobozini; uye kuloo ndawo uYehova uThixo wakho aya kuyinyulela, ukuba alibeke khona igama lakhe;

3uye kumbingeleli othe wakho ngaloo mihla, uthi kuye, Ndiyaxela namhla kuYehova uThixo wakho, ukuba ndingenile kulo ilizwe, awafungayo uYehova koobawo ukuba wosinika lona.

4Wóyithabatha ke umbingeleli ingobozi esandleni sakho, ayibeke phantsi phambi kwesibingelelo sikaYehova uThixo wakho.

5Uze uphendule ke uthi phambi koYehova uThixo wakho, EbengumAram ochithakeleyo ubawo. Wehla waya eYiputa, waphambukela khona, ebantu bambalwa; waba luhlanga ke khona olukhulu olunamandla, oluninzi.

6Asiphatha kakubi amaYiputa, asicinezela, abeka umsebenzi onzima phezu kwethu.

7Sakhala kuYehova uThixo woobawo, waliphulaphula uYehova ilizwi lethu; wazibona iintsizi zethu, nokwaphuka kwethu, nokuxinwa kwethu.

8Wasikhupha uYehova eYiputa ngesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo, nangokoyikeka okukhulu, nangemiqondiso, nangezimanga;

9wasingenisa kule ndawo, wasinika eli lizwe, ilizwe elibaleka amasi nobusi.

10Kaloku ke, nanku ndizise ulibo lweziqhamo zomhlaba lowo ùndinikileyo, Yehova. Uze uyibeke phantsi phambi koYehova uThixo wakho, uqubude phambi koYehova uThixo wakho;

11uvuye nendlu yakho ezintweni zonke ezilungileyo akunikileyo uYehova uThixo wakho, wena, nomLevi, nomphambukeli ophakathi kwenu.

12Xa uthe wagqiba ukunikela isishumi sonke songeniselo lwakho ngomnyaka wesithathu, ongumnyaka wezishumi wamnika umLevi, nomphambukeli, nenkedama, nomhlolokazi, badla emasangweni akho, bahlutha:

13wòthi phambi koYehova uThixo wakho, Ndiyikhuphe kwee tu into engcwele endlwini yam; kananjalo ndimnikile umLevi, nomphambukeli, nenkedama,

© 1975 Bible Society of South Africa.

nomhlolokazi, ngokomthetho wakho wonke ondiwiseleyo; andigqithanga emithethweni yakho, andilibalanga nto.

14Andidlanga nto kuyo esililweni sam, andikhuphanga nto kuyo ebunqambini bam, andinikanga nto yayo ngenxa yofileyo. Ndiliphulaphule ilizwi likaYehova uThixo wam, ndenza ngako konke andiwisele umthetho ngako.

15Vela ekhayeni lakho elingcwele emazulwini, uqondele, ubasikelele abantu bakho, amaSirayeli, nomhlaba lo usinikileyo, njengoko wafungayo koobawo, ilizwe elibaleka amasi nobusi.

16Namhlanje uYehova uThixo wakho ukuwisele umthetho, ukuba uyenze le mimiselo nala masiko; uwagcine ke, uwenze ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke.

17UYehova namhla ùmbangile wathi únguThixo kuwe, nokuba wena wòhamba ngeendlela zakhe, uyigcine imimiselo yakhe, nemithetho yakhe, namasiko akhe, uliphulaphule izwi lakhe.

18NoYehova namhla unibangile nina, wathi ningabantu abayinqobo kuye, njengoko wathethayo kuni, ukuze niyigcine yonke imithetho yakhe;

19aniphakamise ngaphezu kweentlanga zonke azenzileyo, ukuba nibe yindumiso, negama, nendili; nibe ngabantu abangcwele kuYehova uThixo wenu, njengoko wakuthethayo.

IDuteronomi 27

Amasiko amelwe kukwenziwa ekufikeni kwelakwaKanan

1UMoses namadoda amakhulu akwaSirayeli abawisela abantu umthetho, esithi, Wugcineni wonke umthetho endiniwiselayo namhla.

2Wòthi, ngemini enithe nayiwela iYordan, nangena kwelo zwe akunikayo uYehova uThixo wakho, uzimisele amatye amakhulu,

3uwaqabe ngefutha, ubhale kuwo onke amazwi aló myalelo, wakuba uwelile; ukuze ungene kulo ilizwe akunikayo uYehova uThixo, ilizwe elibaleka amasi nobusi, njengoko uYehova uThixo woyihlo wathethayo kuwe.

4Nothi, nakuyiwela iYordan, nimise la matye ndiniwisela umthetho ngawo namhla, entabeni ye-Ebhali, uwaqabe ngefutha;

5wakhele apho isibingelelo kuYehova uThixo wakho, isibingelelo samatye; ungasiphakamiseli ntlabo yantsimbi.

6Wosakha ngamatye awonke isibingelelo sikaYehova uThixo wakho, unyuse phezu kwaso amadini anyukayo kuYehova uThixo wakho;

7ubingelele imibingelelo yoxolo, udle khona, uvuye phambi koYehova uThixo wakho;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8uwabhale uwalungise ematyeni lawo onke amazwi aló myalelo kakuhle.

9UMoses nababingeleli abaLevi bathetha ke kumaSirayeli onke, besithi, Yithi cwaka, uve, Sirayeli! Namhla nithe naba ngabantu kuYehova uThixo wakho;

10uze uliphulaphule izwi likaYehova uThixo wakho, wenze imithetho yakhe nemimiselo yakhe, endikuwiselayo namhla.

11UMoses wabawisela abantu umthetho ngaloo mini, esithi,

12Aba baya kuma basikelele abantu, entabeni yeGerizim, nakuyiwela iYordan: uSimon, noLevi, noYuda, noIsakare, noYosefu, noBhenjamin:

13aba baya kuma baqalekise, entabeni ye-Ebhali: uRubhen, noGadi, noAshere, noZebhulon, noDan, noNafetali.

14Bohlabela abaLevi, bathi kuwo onke amadoda akwaSirayeli ngezwi elikhulu:

15Uqalekisiwe umntu owenza umfanekiso oqingqiweyo notyhidiweyo, into elisikizi kuYehova, into engumsebenzi wezandla zomkroli, ayibeke endaweni esitheleyo; bavume bonke abantu, bathi, Amen.

16Uqalekisiwe ocukuceza uyise nokuba ngunina; bathi bonke abantu, Amen.

17Uqalekisiwe oshenxisa umlimandlela wommelwane wakhe; bathi bonke abantu, Amen.

18Uqalekisiwe olahlekisa imfama endleleni; bathi bonke abantu, Amen.

19Uqalekisiwe ojika isigwebo somphambukeli nenkedama nomhlolokazi; bathi bonke abantu, Amen.

20Uqalekisiwe olala nomkayise; ngokuba utyhila isondo lengubo kayise; bathi bonke abantu, Amen.

21Uqalekisiwe olala nantoni ezitho ziné; bathi bonke abantu, Amen.

22Uqalekisiwe olala nodade wabo, nokuba yintombi kayise, nokuba yintombi kanina; bathi bonke abantu, Amen.

23Uqalekisiwe olala nomkhwekazi wakhe; bathi bonke abantu, Amen.

24Uqalekisiwe ombulalayo ummelwane wakhe ngasese; bathi bonke abantu, Amen.

25Uqalekisiwe osamkelayo isicengo sokubulala umntu, igazi elingenatyala; bathi bonke abantu, Amen.

26Uqalekisiwe ongawamisiyo amazwi alo myalelo ukuba awenze; bathi bonke abantu, Amen.

IDuteronomi 28

Iintsikelelo zolulamo

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Kothi, ukuba ùthe waliphulaphula ngenkuthalo izwi likaYehova uThixo wakho, ukuba ugcine wenze yonke imithetho yakhe endikuwiselayo namhla, uYehova uThixo wakho akuphakamise ngaphezu kweentlanga zonke zehlabathi;

2zibe phezu kwakho ezi ntsikelelo zonke, zikufumane, xa uthe waliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho:

3Wòsikelelwa phakathi komzi, usikelelwe emaphandleni;

4sisikelelwe isiqhamo sesizalo sakho, nesiqhamo somhlaba wakho, nesiqhamo sempahla yakho ezitho ziné, nenkonyana yenkomo yakho, namatakane empahla yakho emfutshane isikelelwe ingobozi yakho,

5nomkhombe wakho wokuxovulela intlama.

6Wòsikelelwa ekungeneni kwakho, usikelelwe ekuphumeni kwakho.

7UYehova wozinikela zixatyelwe phambi kwakho iintshaba zakho ezivukelana nawe; ziphume zisiza kuwe ngandlelanye, zikubaleke ngeendlela ezisixhenxe.

8UYehova uya kuthetha intsikelelo, ibe nawe emaqongeni akho, nasezintweni zonke osisa kuzo isandla sakho, akusikelele ezweni elo akunikayo uYehova uThixo wakho.

9UYehova wonimisa nibe ngabantu abangcwele kuye, njengoko wakufungelayo, xa uthe wayigcina imithetho kaYehova uThixo wakho, wahamba ngeendlela zakhe;

10zibòne zonke izizwe zehlabathi, ukuba igama likaYehova libizwe phezu kwakho, zikoyike.

11UYehova wokwandisela okulungileyo esiqhameni sesizalo sakho, nasesiqhameni sempahla yakho ezitho ziné, nasesiqhameni somhlaba wakho, emhlabeni lowo awafungáyo uYehova kooyihlo ukuba wokunika.

12UYehova wokuvulela uvimba wakhe olungileyo, izulu lilinike imvula ilizwe lakho ngexesha layo, awusikelele wonke umsebenzi wesandla sakho, uboleke iintlanga ezininzi, ungaboleki kuzo wena.

13UYehova wokwenza ube yintloko, ungabi ngumsila; ibe nguwe wedwa onyukayo, ungabi ngohlayo: xa uthe wayiphulaphula imithetho kaYehova uThixo wakho, endikuwiselayo namhla ukuba uyigcine, uyenze;

14àkwatyeka emazwini onke endiniwisela umthetho ngawo namhla, uye ekunene nasekhohlo, ukulandela thixo bambi, ubakhonze.

Isiqalekiso sokungeva

15Ke kothi, ukuba uthe akwaliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho, ukuba uyigcine uyenze imithetho yakhe nemimiselo yakhe endikuwiselayo namhla, zize phezu kwakho ezi ziqalekiso zonke zikufumane:

16Wòqalekiswa phakathi komzi, uqalekiswe emaphandleni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17iqalekiswe ingobozi yakho, nomkhombe wakho wokuxovulela intlama;

18siqalekiswe isiqhamo sesizalo sakho, nesiqhamo somhlaba wakho, nenkonyana yenkomo yakho, namatakane empahla yakho emfutshane.

19Wòqalekiswa ekungeneni kwakho, uqalekiswe ekuphumeni kwakho.

20UYehova wokuthumela isiqalekiso, nokudungwadungwa, nokukhalinyelwa ezintweni zonke osa isandla sakho kuzo, ude utshabalale, ude ubhubhe kuphele, ngenxa yobubi beentlondi zakho zokuba ùndishiyile.

21UYehova woyinamathelisa kuwe indyikitya yokufa, ade akuphelise, ungabikho phezu komhlaba lowo uya kuwo ukuba uwumé.

22UYehova wokubetha ngesifo sephepha, nangecesina, nangokurhala, nangokuvutha komzimba, nangekrele, nangembabala, nangexoshomba, zikusukele ezo nto ude ubhubhe.

23Izulu lakho eliphezu kwentloko yakho loba lubhedu, umhlaba ophantsi kwakho ube sisinyithi.

24UYehova woyenza imvula yelizwe lakho ibe luthuthu nothuli, ihle ezulwini phezu kwakho ude utshabalale.

25UYehova wokunikela ubethwe ziintshaba zakho, uphume ngandlela-nye ukuya kuzo, uzibaleke ngeendlela ezisixhenxe, ube yinto yokufeketha ezikumkanini zonke zehlabathi;

26isidumbu sakho sibe kukudla kweentaka zonke zezulu, nokwamarhamncwa elizwe, kungabikho bani uphekuzayo.

27UYehova wokubetha ngethumba laseYiputa, nangezilonda, nangokhwekhwe, nangenjinana, ongayi kuba nako ukuphiliswa kuzo.

28UYehova wokubetha ngokubhuda nangobumfama, nangokuphambana ingqondo,

29uphuthaphuthe emini emaqanda, njengemfama iphuthaphutha esithokothokweni; ungabi nampumelelo ezindleleni zakho, ucudiswe kodwa, uphangwe yonke imihla, kungabikho bani ukusindisayo.

30Wòziganela umfazi, alalwe ndoda yimbi; woyakha indlu ungayihlali; wotyala isidiliya ungasidli.

31Yoxhelwa inkomo yakho ùkhangele, ùngayidli; kohluthwa iesile lakho ebusweni bakho, lingabuyeli kuwe; yonikwa iintshaba zakho impahla yakho emfutshane, ungabi nabani uyihlangulayo.

32Bonikwa bantu bambi oonyana bakho neentombi zakho, akhangele amehlo akho, aphelele kubo imini yonke, singabi namandla isandla sakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Isiqhamo somhlaba wakho, nokuxelenga kwakho konke, kodliwa ngabantu
ongàbaziyo, ucudiswe, uvikivwe kuphela yonke imihla;

34ubhudiswe kukubona akubonayo amehlo akho.

35UYehova wokubetha emadolweni nasemilenzeni ngamathumba amabi, ungabi
nakuphiliswa kuwo, athabathele entendeni yonyawo lwakho ase elukakayini.

36UYehova wokusa wena, nokumkani wakho othe wammisa phezu kwakho,
eluhlangeni eningalwaziyo wena nooyihlo, ukhonze khona apho thixo bambi, imithi
namatye;

37ube ngummangaliso, nondaba-mlonyeni, nento yentsini, phakathi kwezizwe zonke
athe uYehova wakuqhubela kuzo.

38Wòphuma nembewu eninzi uye entsimini, uvune into encinane; ngokuba iya
kunqunquthwa ziinkumbi.

39Wòtyala izidiliya, uzisebenze, ungaseli wayini noko, ungavuni zidiliya; ngokuba ziya
kudliwa ngukruxeshe.

40Wòba neminquma emideni yakho yonke, ungazithambisi ngeoli noko; ngokuba
iminquma yakho iya kunyothulwa.

41Wòzala oonyana neentombi, ungabi nabo noko; ngokuba baya kuthinjwa.

42Yonke imithi yakho, nesiqhamo somhlaba wakho, sohluthwa ziinkumbi.

43Owasemzini ophakathi kwakho wokunyuka, aye enyuka ngokunyuka; wena uye
usihla ngokuhla.

44Wókuboleka yena, ungamboleki wena; wóba yintloko yena, ube ngumsila wena.

45Zoza ke phezu kwakho ezo ziqalekiso zonke, zikusukele, zikufumane ude
utshabalale; ngokuba ungaliphulaphulanga ilizwi likaYehova uThixo wakho, ukuba
uyigcine imithetho yakhe nemimiselo yakhe akuwiseleyo;

46zibe ngumqondiso nezimanga kuwe, nakwimbewu yakho kude kuse ephakadeni;

47ngenxa yokuba ungamkhonzanga uYehova uThixo wakho ngokuvuya,
nangokuchwayitha kwentliziyo, ngenxa yobuninzi bezinto zonke.

48Wòkhonza iintshaba zakho, ezo aya kuzithumela kuwe uYehova, ulambile,
unxaniwe, uhamba zé, uswele zonke izinto, abeke idyokhwe yesinyithi entanyeni
yakho, ade akutshabalalise.

49UYehova wokuzisela uhlanga oluvela kude, esiphelweni sehlabathi, olutshwebeleza
njengokhozi; uhlanga olulwimi ungayi kuluva;

50uhlanga olubuso bungwanyalala, olungakhethi buso bandoda inkulu, olungabi
nakubabala namfama.

© 1975 Bible Society of South Africa.

51Lodla isiqhamo senkomo yakho, nesiqhamo somhlaba wakho, ude utshabalale;
lungakushiyeli ngqolowa, nawayini intsha, naoli, nankonyana yankomo yakho,
namatakane empahla yakho emfutshane, lude lukuchithe.

52Lokungqinga emasangweni akho onke, zide ziwe iindonga zakho eziphakamileyo,
ezinqabileyo, okholose ngazo, ezweni lakho lonke; lukungqinge ke emasangweni
akho onke, ezweni lakho lonke, akunikileyo uYehova uThixo wakho;

53udle isiqhamo sesizalo sakho, inyama yoonyana bakho neentombi zakho
akunikileyo uYehova uThixo wakho, ekungqingweni, nasekuxinweni, olokuxina ngako
utshaba lwakho.

54Indoda esisifebe, ebixhamla ubuncwane kunene phakathi kwakho, yomkhangela
ngeliso elibi umzalwana wayo, nomfazi wesifuba sayo, namasalela abantwana bayo
abasaseleyo;

55ngokokuze inganiki namnye kubo into yenyama yabantwana bayo eyidlayo, ngenxa
yokuba ingashiyelwanga nto ekungqingweni nasekuxinweni, olokuxina ngako
utshaba lwakho emasangweni akho onke.

56Intokazi eling'awukazi, exhamle ubuncwane phakathi kwakho, ebingalingi ukubeka
intende yonyawo lwayo emhlabeni, ngenxa yokuxhamla ubuncwane, nangenxa
yokuba iling'awukazi, yoyikhangela ngeliso elibi indoda yesifuba sayo,

57nonyana wayo, nentombi yayo, ngenxa yomkhaya wayo ophuma phakathi
kweenyawo zayo, nangenxa yabantwana bayo ethe yabazala; kuba yobadla ngasese
ekuswelekeni kweento zonke, ekungqingweni nasekuxinweni olokuxina ngako
utshaba lwakho emasangweni akho.

58Ukuba ùthe akwagcina ukuwenza onke amazwi alo myaleleo, abhaliweyo kule
ncwadi, ukuba uloyike eli gama lizukileyo, loyikekayo, UYEHOVA UTHIXO WAKHO:

59uYehova wozenza zibaluleke izibetho zakho, nezibetho zembewu yakho, zibe
zizibetho ezikhulu ezihlala zihleli, nezifo ezibi ezihlala zihleli;

60akubuyisele ke bonke ubulwelwe baseYiputa owanxunguphala bubo, buthi nama
kuwe.

61Nazo zonke izifo nezibetho zonke ezingàbhaliweyo encwadini yalo myalelo,
wózinyusa uYehova phezu kwakho ude utshabalale;

62nisale nibantu bambalwa, esikhundleni sokuba naningangeenkwenkwezi zezulu
ukuba baninzi; ngokuba ungaliphulaphulanga izwi likaYehova uThixo wakho.

63Kothi, njengokuba uYehova ebenemihlali ngani, ukuba anenzele okulungileyo,
anandise: enjenjalo uYehova ukuba nemihlali ngani, ukuba anidakise, anitshabalalise;
ninyothulwe emhlabeni lowo ungena kuwo, usiya kuwúma;

© 1975 Bible Society of South Africa.

64aniphangalalise uYehova phakathi kwezizwe zonke, ethabathela esiphelweni sehlabathi, ase esiphelweni sehlabathi; ukhonze thixo bambi khona, ongabazanga wena nooyihlo, imithi namatye.

65Phakathi kwezo ntlanga akusayi kunyhamnyheka, ayisayi kuba nakuphumla intende yonyawo lwakho; uYehova wokunika apho ukugungqa kwentliziyo, nokuphela kwamehlo, nokuthiswa komphefumlo.

66Ubomi bakho bojinga ngomsonto phambi kwakho, unkwantye ubusuku nemini, ungàkholwa bubomi bakho; kusasa wòthi,

67Akwaba bekungokuhlwa! ngokuhlwa wothi, Akwaba bekukusasa! ngenxa yokunkwantya kwentliziyo yakho oya kunkwantya ngako, nangenxa yokubona aya kukubona amehlo akho.

68UYehova wokubuyisela eYiputa ngeenqanawa, ngendlela endathi kuwe, Uze ungabi saphinda uyibone; kuthengiswe ngani khona ezintshabeni zenu, ukuba nibe ngamakhoboka namakhobokazana, kungabikho bani unithengayo.

IDuteronomi 29

Iziyalo nezilumkiso

1Ngawo la amazwi omnqophiso, awamwisela uMoses umthetho ngawo uYehova, ukuba awenze noonyana bakaSirayeli ezweni lakwaMowabhi, ngaphandle komnqophiso awawenzayo nabo eHorebhe.

2UMoses wawabiza amaSirayeli onke, wathi kuwo, Nikubonile konke akwenzileyo uYehova emehlweni enu ezweni laseYiputa, kuFaro, nakubakhonzi bakhe bonke, nakwilizwe lakhe lonke;

3izilingo ezikhulu azibonileyo amehlo akho, eziyimiqondiso nezimanga ezikhulu.

4Ke akaninikanga uYehova intliziyo yokwazi, namehlo okubona, neendlebe zokuva, unanamhla.

5Ndinihambisile iminyaka engamashumi amané entlango. Iingubo zenu azonakalanga bubudala, zinishiye; neembadada zakho azonakalanga ziphele ezinyaweni zakho;

6anidlanga sonka, aniselanga wayini nasiselo sinxilisayo, ukuze nazi ukuba ndinguYehova uThixo wenu.

7Nafika kule ndawo, waphuma uSihon ukumkani waseHeshbhon, no-Ogi ukumkani waseBhashan, basihlangabeza ngemfazwe, sababulala;

8salithabatha ilizwe labo salinika amaRubhen, namaGadi, nesiqingatha sesizwe sakwaManase, ukuba libe lilifa.

9Wagcineni ke amazwi alo mnqophiso, niwenze, ukuze nikwenze ngengqiqo konke eniya kukwenza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Nimi namhla nonke niphela phambi koYehova uThixo wenu; iintloko zenu, nezizwe zenu, namadoda amakhulu akowenu, nababhali benu, onke amadoda akwaSirayeli,

11nabantwana benu, nabafazi benu, nomphambukeli ophakathi komzi wakho, kuthabathela kogawula iinkuni zakho, kuse kokha amanzi akho;

12ukuba ungène emnqophisweni kaYehova uThixo wakho, asesifungweni sakhe, asenzayo uYehova uThixo wakho nawe namhla;

13ukuze animise namhla nibe ngabantu kuye, yena abe nguThixo kuni, njengoko wakuthethayo kuni, njengoko wakufungayo kooyihlo, ooAbraham noIsake noYakobi.

14Andiwenzi nani nedwa lo mnqophiso nesi sifungo;

15ndiwenza nomiyo apha nathi namhla phambi koYehova uThixo wethu, kwanongekhoyo apha nathi namhla.

16Ngokuba nina niyakwazi ukuhlala kwethu ezweni laseYiputa, nokucanda kwethu phakathi kweentlanga enacanda kuzo;

17nazibona izinto zazo ezinezothe, nezigodo ezizizithixo zazo, imithi namatye, isilivere negolide, ezinazo:

18hleze kubekho kuni ndoda, namfazi, namzalwane, nasizwe, sintliziyo ijikayo namhla, imke kuYehova uThixo wethu, iye kukhonza oothixo bezo ntlanga; hleze kubekho kuni ingcambu ezele ubuhlungu nomhlonyane;

19kuthi, ekuweveni kwakhe amazwi esi sishwabulo, azisikelele entliziyweni yakhe, esithi, Ndoba noxolo; ngokuba ndihamba ebungqoleni bentliziyo yam, ukuze kuphetshethwe osele wahlutha kwanonxaniweyo.

20UYehova akasayi kuvuma ukumxolela; wosuka uqhume umsindo kaYehova nekhwele lakhe kuloo ndoda, silale phezu kwayo sonke isishwabulo esibhaliweyo kule ncwadi, alicime uYehova igama layo phantsi kwezulu.

21Wóyahlulela uYehova okubi ezizweni zonke zamaSirayeli, ngokwezishwabulo zonke zomnqophiso obhaliweyo encwadini yalo myalelo.

22Sóthi isizukulwana esisemva kwenu, oonyana benu abaya kuvela emva kwenu nowolunye uhlanga ovela ezweni elikude, bazibone izibetho zelo lizwe, nezifo zalo uYehova azihlisileyo kulo:

23isulfure netyuwa, litshile lonke ilizwe lakhona, lingàhlwayelwa, lingahlumi nto, lingaphumi tyani; linjengokubhukuqwa kweSodom neGomora, iAdama neTsebhoyim, awazibhukuqayo uYehova ngomsindo wakhe nangobushushu bakhe.

24Zothi ke zonke iintlanga, Kungenxa yantoni na, ukuba uYehova enjenje kweli lizwe? Kuyini na ukuvutha kwaló msindo mkhulu kangaka?

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Kuthiwe, Kungokuba bewushiyile umnqophiso kaYehova uThixo wooyise, áwawenza nabo ekubakhupheni kwakhe ezweni laseYiputa.

26Baya bakhonza thixo bambi, babanqula, oothixo abangabaziyo, abengababelanga yena.

27Wavutha ke umsindo kaYehova kwelo zwe, ukuba kuziswe phezu kwalo zonke iziqalekiso ezibhaliweyo kule ncwadi;

28uYehova wabanyothula emhlabeni wabo ngomsindo, nangobushushu, nangoburhalarhume obukhulu, wabaphosa zweni limbi, njengoko kunjalo namhla.

29Izinto ezisitheleyo zezikaYehova uThixo wethu; izinto ezityhilekileyo zezethu, nezoonyana bethu kude kuse ephakadeni, ukuze siwenze onke amazwi alo myalelo.

IDuteronomi 30

Amadinga neengcebiso

1Kothi ke, xa athe eza phezu kwakho onke la mazwi, iintsikelelo neziqalekiso, endizibeke phambi kwakho, wazikhumbula uphakathi kweentlanga zonke, athe wakugxothela kuzo uYehova uThixo wakho,

2wàbuyela kuYehova uThixo wakho, waliphulaphula ilizwi lakhe, njengako konke endikuwisela umthetho ngako namhla, wena noonyana bakho, ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke:

3wókubuyisa ke uYehova uThixo wakho ukuthinjwa kwakho, abe nemfesane kuwe, abuye akubuthe ezizweni zonke abekuphangalalisele kuzo uYehova uThixo wakho.

4Ukuba ùthe wagxothelwa esiphelweni sezulu, wókubutha nakhona apho uYehova uThixo wakho; wókuphuthuma nakhona apho.

5Wókuzisa uYehova uThixo wakho kulo ilizwe ababelihluthile ooyihlo, ulimé, akwenzele okulungileyo, akwandise ngaphezu kooyihlo.

6Wóyalùsa intliziyo yakho uYehova uThixo wakho, nentliziyo yembewu yakho, ukuba umthande uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke, ukuze uphile.

7Wózibeka uYehova uThixo wakho zonke ezi zishwabulo phezu kweentshaba zakho, naphezu kwabakuthiyileyo, abakutshutshisileyo;

8ubuye ke wena, uliphulaphule izwi likaYehova, uyenze yonke imithetho yakhe endikuwiselayo namhla.

9UYehova uThixo wakho uya kwandisa kumsebenzi wonke wesandla sakho, kwisiqhamo sesizalo sakho, nakwisiqhamo senkomo yakho, nakwisiqhamo somhlaba wakho, kulunge; ngokuba uYehova uya kubuya abe nemihlali ngawe, kulunge, njengoko waba nemihlali ngooyihlo:

© 1975 Bible Society of South Africa.

10xa uthe waliphulaphula izwi likaYehova uThixo wakho, ukuba uyigcine imithetho yakhe nemimiselo yakhe, ebhaliweyo encwadini yalo myalelo; xa uthe wabuyela kuYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke.

11Ngokuba lo mthetho ndikuwiselayo namhla awunto ikunqabeleyo, awukude nokuba kude.

12Awusezulwini, ukuba uthi, Ngubani na oya kusinyukela ezulwini, asithabathele siwuve, siwenze?

13Awuphesheya kolwandle, ukuba uthi, Ngubani na oya kusiwelela ulwandle, asithabathele, siwuve, siwenze?

14Ngokuba ilizwi eli lisondele kunene kuwe, emlonyeni wakho nasentliziyweni yakho, ukuba ulenze.

15Khangela, ndibeké phambi kwakho namhla ubomi nokulunga, ukufa nobubi;

16ekubeni ndikuwisela umthetho namhla, ukuba umthande uYehova uThixo wakho, uhambe ngeendlela zakhe, ugcine imithetho yakhe, nemimiselo yakhe, namasiko akhe, uphile, wande, akusikelele uYehova uThixo wakho kwelo zwe ungena kulo ukuba ulimé.

17Ke ukuba ithe yajika intliziyo yakho, akweva, wawexulwa, wanqula thixo bambi, wabakhonza:

18ndiyanixelela namhla, ukuba nobhubha kanye. Aniyi kolulelwa mini zenu kuwo umhlaba, eniwela iYordan nisiya kuwuma.

19Ndingqinisisa amazulu nehlabathi namhla ngani; ndibeké phambi kwenu ubomi nokufa, intsikelelo nesiqalekiso. Nyula ke ubomi, ukuze uphile, wena nembewu yakho;

20ukuba umthande uYehova uThixo wakho, uliphulaphule ilizwi lakhe, unamathele kuye: ngokuba bubomi bakho, nokolulwa kweemini zakho; ukuze uhlale emhlabeni lowo awafunga uYehova kooyihlo ooAbraham noIsake noYakobi, ukuba wobanika.

IDuteronomi 31

Iziyalo zokugqibela zikaMoses ebantwini nakuYoshuwa

1Waya uMoses, wawathetha la mazwi kumaSirayeli onke,

2wathi kuwo, Ndiminyaka ilikhulu elinamanci mabini namhla ndizelwe. Andisenako ukuphuma nokungena; noYehova uthe kum, Akusayi kuyiwela le Yordan.

3NguYehova uThixo wakho owela phambi kwakho; wózitshabalalisa ezo ntlanga phambi kwakho, uzithimbe. NguYoshuwa owela phambi kwakho, njengoko wathethayo uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Úya kwenza uYehova kuzo njengoko wenzayo kuSihon nakuOgi, ookumkani bama-
Amori, nakwilizwe labo, awabatshabalalisayo;

5azinikele kuni uYehova; nenze kuzo ngokomthetho wonke endiniwiseleyo.

6Yomelelani nikhaliphe: musani ukoyika, musani ukungcangcazela ebusweni bazo.
Ngokuba nguYehova uThixo wakho ohamba nawe; akayi kukuyekela, akayi
kukushiya.

7UMoses wambiza ke uYoshuwa, wathi kuye emehlweni amaSirayeli onke, Yomelela
ukhaliphe; kuba wena uya kungena naba bantu kwelo zwe wafungayo kooyise
uYehova ukuba wobanika; wena uya kubadlisa ilifa.

8NguYehova ohamba phambi kwakho; yena uya kuba nawe; akayi kukuyekela, akayi
kukushiya. Uze ungoyiki, ungaqhiphuki mbilini.

UMoses unikela umthetho kubabingeleli

9Wawubhala uMoses lo myalelo, wawunika ababingeleli, oonyana bakaLevi,
ababethwala ityeya yomnqophiso kaYehova, namadoda amakhulu akwaSirayeli
onke.

10UMoses wabawisela umthetho, esithi, Ekupheleni kweminyaka esixhenxe,
ngexesha elimisiweyo lomnyaka woyekelelo, emthendelekweni weminquba,

11ekuzeni kubonakala kwamaSirayeli onke phambi koYehova uThixo wakho, kuloo
ndawo aya kuyinyula, wòwulesa lo myalelo phambi kwamaSirayeli onke ezindlebeni
zawo.

12Bobizelwa ndawonye abantu, amadoda, nabafazi, nabantwana, nomphambukeli
wakho osemasangweni akho, ukuze beve, nokuze bafunde, bamoyike uYehova
uThixo wenu, bagcine ukuwenza onke amazwi alo myalelo;

13beve noonyana babo abangaziyo, bafunde ukumoyika uYehova uThixo wenu,
yonke imihla enidla ubomi ngayo, kuloo mhlaba eniwela iYordan nisiya kuwuma.

14Wathi uYehova kuMoses, Yabona, isondele imihla yakho yokuba ufe. Biza
uYoshuwa, niye nime ententeni yokuhlangana, ndimyale. Baya ooMoses noYoshuwa,
bema ententeni yokuhlangana.

15Wabonakala uYehova ententeni emqulwini welifu. Wamana umi umqulu welifu
phezu komnyango wentente.

Intsusa yengoma kaMoses

16Wathi uYehova kuMoses, Yabona, ùya kulala nooyihlo; basùke aba bantu
bahenyuze ngokulandela thixo bambi belo zwe bangena kulo phakathi kwalo,
bandishiye, bawaphule umnqophiso wam endiwenze nabo;

17uvúthe umsindo wam kubo ngaloo mini, ndibashiye, ndibusithelise ubuso bam
kubo, babe ngabokudliwa kuthi tu, bafunyanwe bububi obuninzi naziimbandezelo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

bathi ngaloo mini, Àkungenxa yokuba engekho na uThixo wam phakathi kwam, le nto ndifunyenwe bobu bubi?

18Ke mna ndiya kubusithelisa kuphele ubuso bam ngaloo mini, ngenxa yobubi bonke ababenzileyo; ngokuba bejike baya thixweni bami.

19Kaloku ke zibhaleleni le ngoma, niyifundise oonyana bakaSirayeli, niyibeke emlonyeni wabo, ukuze le ngoma ibe lingqina lam koonyana bakaSirayeli.

20Kuba ndiya kubangenisa kuwo umhlaba endafunga kooyise ngawo, obaleka amasi nobusi, badle bahluthe, batyebe; bajike baye thixweni bambi, babakhonze, bandigibe, bawaphule umnqophiso wam.

21Kothi, xa bathe bafunyanwa bububi obuninzi naziimbandezelo, isuke le ngoma iphendule phambi kwabo, ibe lingqina: kuba ayisayi kulityalwa imke emlonyeni wembewu yabo; kuba ndiyakwazi ukucamanga kwabo abakwenzayo namhla, ndingekabangenisi nje kwelo zwe ndifunge ngalo.

22Wayibhala uMoses loo ngoma ngaloo mini, wayifundisa oonyana bakaSirayeli.

23Wammisela uYoshuwa unyana kaNun umthetho; wathi, Yomelela, ukhaliphe, kuba ùya kubangenisa wena oonyana bakaSirayeli kwelo zwe ndabafungela lona. Ndiya kuba nawe mna.

24Kwathi, akugqiba uMoses ukuwabhala amazwi alo myalelo encwadini ada agqitywa,

25uMoses wabawisela umthetho abaLevi, ababethwala ityeya yomnqophiso kaYehova, esithi,

26Yithabatheni incwadi yalo myalelo, niyibeke ecaleni letyeya yomnqophiso kaYehova uThixo wenu, ibe lingqina khona kuni.

27Ngokuba ndiyazazi iinkani zakho, nentamo yakho elukhuni. Yabonani, ndisadla ubomi nje, ndisenani, namana niphikisana noYehova; kobeka phi na emva kokufa kwam?

28Bizelani ndawonye onke amadoda amakhulu ezizwe zenu, nababhali benu, beze kum, ndiwathethe la mazwi ezindlebeni zabo, ndingqinisise amazulu nehlabathi ngabo.

29Kuba ndiyazi ukuba, emva kokufa kwam, niya kuzonakalisa kanye, nityeke endleleni endiniwisele umthetho ngayo, nihlelwe bububi ekupheleni kwemihla; ngokuba niya kwenza ububi phambi koYehova, ukuba nimqumbise ngomsebenzi wezandla zenu.

30Wawathetha ke uMoses ezindlebeni zebandla lonke lakwaSirayeli amazwi ale ngoma, ada agqitywa:

IDuteronomi 32

Ingoma kaMoses

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Bekani indlebe, mazulu, ndithethe; Live ihlabathi amazwi omlomo wam;

2Ichaphàze njengemvula imfundiso yam, Ihle njengombethe intetho yam, Njengomkhumezelo phezu kohlaza, Njengamathontsi phezu kotyani.

3Ngokuba ndiya kuvakalisa igama likaYehova: Mnikeni ubukhulu uThixo wethu!

4NguLiwa; ugqibele umsebenzi wakhe, Ngokuba zonke iindlela zakhe zisesikweni; NguThixo wentembeko, tu ubugqwetha; Lilungisa, uthe tye yena.

5Isizukulwana esijibilizayo, esibhijeleneyo, Sizonakalisile kuye — singenyana bakhe, sisiphako sabo.

6Nènjenje na ukumphatha uYehova? Bantundini banobudenge, bangenabulumko, Akanguye na uyihlo okudalileyo, Okwenzileyo, okusekileyo?

7Khumbula iimini zasephakadeni, Qonda iminyaka yezizukulwana ngezizukulwana. Buza kooyihlo, bakubalisele, Kumadoda amakhulu akowenu, akuxelele.

8Ekuzabeleni kOsenyangweni iintlanga ilifa, Ekubahlulahluleni kwakhe oonyana baka-Adam, Wayimisa imida yezizwe Ngokwenani loonyana bakaSirayeli.

9Kuba isabelo sikaYehova ngabantu bakhe, UYakobi licandelo lelifa lakhe.

10Wamfumana ezweni eliyintlango, Enyanyeni, enkangala ebhombolozayo; Wamwola, wamondla, Wamlondoloza njengokhozo lweliso lakhe.

11Njengokhozi lususela, Lundanda phezu kwamathole alo, Wawolula amaphiko akhe, wamthabatha, Wamthwala ngamaphiko akhe.

12Wamkhokela uYehova yedwa, Engenathixo wolunye uhlanga naye.

13Wamkhwelisa emimangweni yehlabathi; Wadla ke iziveliso zamasimi; Wammunyisa ubusi engxondorheni, Neoli eweni leqhwitha;

14Amasi eenkomo, nobisi lwempahla emfutshane, Kunye namanqatha eemvana; Neenkunzi zezimvu, amatakane aseBhashan, neebhokhwe, Kunye namanqatha ezintso zengqolowa; Negazi lediliya walisela, liyiwayini enegwebu.

15Watyeba ke uYeshurun, wakhaba; Watyeba wena, wanesibili, wathi fithi; Wamlahla uThixo owamenzayo, Walenza isidenge iLiwa lokusindiswa kwakhe.

16Bamkhweletisa ngoothixo basemzini, Bamqumbisa ngamasikizi.

17Babingelela kwiidemon ezingeThixo, Koothixo abangabaziyo, Kwabatsha abasandula ukufika, Ababengabahlonele ooyihlo.

18ILiwa elakuzalayo walihilizela, Wamlibala uThixo owaba nenimba ngawe.

19Wabona uYehova, wabalahla, Ngokuqunjiswa ngoonyana bakhe neentombi zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Wathi, Ndiya kubusithelisa ubuso bam kubo, Ndibòne ukuba koba yintoni na ukuphela kwabo; Ngokuba basisizukulwana sempenduka, Ngoonyana abangenantembeko.

21Bona bandikhweletisa ngongeThixo, Bandiqumbisa ngamampunge abo. Nam ndiya kubakhweletisa ngabangebantu, Ndibaqumbise ngohlanga olunobudenge.

22Ngokuba kuphenjwé umlilo emathatheni am; Utsha ude use kwelingaphantsi labafileyo, Ulidle ihlabathi neendyebo zalo, Uvuthise iziseko zeentaba.

23Ndiya kufumba ububi phezu kwabo, Iintolo zam ndiziphelelisele kubo;

24Omakhanywa kukulamba, omadliwa kukurhala, Nembubhiso ekrakra. Ndiya kubathumela izinyo lamarhamncwa, Nobuhlungu bezinambuzane zothuli.

25Ngaphandle kophanga ikrele, Ezingontsini kuphange izothuso, Kufane indodana nentombi, Kufane owanyáyo nengwevu.

26Ngendiba ndithi, Ndiya kubaphephetha, Ndisiphelise isikhumbuzo sabo ebantwini;

27Koko ndinxungupheleyo kukuqunjiswa lutshaba, Hleze ababandezeli babo bangaqondi; Hleze bathi, Kuphakamé isandla sethu; Àkwenziwe nguYehova oku konke.

28Ngokuba luhlanga oluphelelwe ngamacebo, Tu ingqondo kubo.

29Akwaba babelumkile; ngebekuqiqa oku, Basiqonde isiphelo sabo.

30Yo! Ebengayi kuthi na emnye kubo asukele iwaka, Bebabini bagxothe amawaka alishumi, Ukuba belingathengisanga ngabo iLiwa labo, Wabanikela uYehova?

31Kuba alinjengeLiwa lethu iliwa lazo, Iintshaba zethu zingabagwebi boko.

32Kuba umdiliya wabo ngowomdiliya waseSodom, Ngowamasimi aseGomora. Iidiliya zabo ziidiliya ezinobuhlungu, Izihloko zazo zinobukrakra.

33Bubuhlungu benyushu iwayini yabo, Yinyongo enobujorha yamaphimpi.

34Oku àkubekwe kum na, Kwavingcelwa koovimba bam?

35Yeyam impindezelo nembuyekezo Ngexesha lokutyibilika konyawo lwabo; Ngokuba usondele umhla wokusindeka kwabo, Kuyakhawuleza abakumiselweyo.

36Ngokuba úya kugweba phakathi kwabantu bakhe uYehova, Azohlwaye ngenxa yabakhonzi bakhe, Xa abonayo ukuba ethile amandla, Uphelile ovalelweyo novulelweyo.

37Wóthi ke, Baphi na kaloku oothixo babo, Iliwa ababezimela ngalo:

38Ababesidla amanqatha emibingelelo yabo, Ababesela iwayini yeminikelo yabo ethululwayo? Mabasuke banincede, Kubekho isithe phezu kwenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Bonani ngoku, ukuba mna ndinguye; Tu thixo unam. Ndiyabulala, ndidlise ubomi;
Ndiyaphalusa, ndiphilise mna; Tu uhlangulayo esandleni sam.

40Ngokuba ndisiphakamisela emazulwini isandla sam; Ndithi, Ndihleli nje mna
ngonaphakade,

41Ukuba ndithe ndalilola ikrele lam elingumbane, Sabambelela elugwebeni isandla
sam, Ndoyibuyisela impindezelo kubabandezeli bam, Ndibuyekeze kubathiyi bam.

42Ndozinxilisa iintolo zam ngegazi, Ikrele lam liyidle inyama Ngegazi labahlatyiweyo
nabathinjiweyo, Ngentloko enesihlwitha yotshaba.

43Memelelani, zintlanga, ngenxa yabantu bakhe, Ngokuba eliphindezelela igazi
labakhonzi bakhe, Abuyisele impindezelo kubabandezeli bakhe, Awucamagushele ke
umhlaba wakhe nabantu bakhe.

44Weza ke uMoses, wawathetha onke amazwi ale ngoma ezindlebeni zabantu, yena
noYoshuwa unyana kaNun.

45Wagqiba uMoses ukuwathetha onke la mazwi kumaSirayeli onke,

46wathi kuwo, Wabekeleni iintliziyo zenu onke amazwi endiwangqinayo kuni namhla,
eniya kuwamisela koonyana benu, ukuba bagcine ukuwenza onke amazwi alo
myalelo.

47Ngokuba asilizwi lilambathayo kuni eli, kuba bubomi benu; ngeli lizwi niya kuyolula
imihla kuloo mhlaba niyiwelayo iYordan nisiya kuwuhlutha.

48Wathetha uYehova kuMoses kwangaloo mini, esithi,

49Nyuka uye kule ntaba yaseAbharim, entabeni yeNebho, esezweni lakwaMowabhi,
elikhangelene neYeriko, ukhangele ilizwe lakwaKanan, endilinika oonyana
bakaSirayeli ukuba libe lelabo;

50ufele entabeni oyinyukayo, uhlanganiselwe kubantu bakowenu, njengokuba
wafayo umkhuluwa wakho uAron entabeni yeHore, wahlanganiselwa kubantu
bakowabo;

51ngenxa yokuba namenezayo kum phakathi koonyana bakaSirayeli emanzini
aseMeribha yaseKadeshe, entlango yeTsin, ngenxa yokuba ningàndingcwalisanga
phakathi koonyana bakaSirayeli.

52Ngokuba wolibona ilizwe liphambili, kodwa ungangeni kulo ilizwe endilinika
oonyana bakaSirayeli.

IDuteronomi 33

UMoses usikelela izizwe ezilishumi elinazibini

1Yiyo le intsikelelo, awabasikelela ngayo uMoses, indoda yakwaThixo, oonyana
bakaSirayeli, phambi kokufa kwakhe, wathi:

© 1975 Bible Society of South Africa.

2UYehova wavela eSinayi, Waphuma kwaSehire phezu kwabo; Wabengezela esezintabeni zeParan, Weza ephuma kwiingcwele ezimawaka alishumi, Ekunene kwakhe ikukubinza komlilo kubo.

3Inene, úyazithanda izizwe. Bonke abangcwele bakhe basesandleni sakho, Bahlala ezinyaweni zakho, Besuke ngamazwi akho.

4UMoses wasiwisela umyalelo, Ilifa ke elo lebandla lakwaYakobi.

5Waba ngukumkani kwaYeshurun, Ekuzihlanganiseni iintloko zabantu, Izizwe zakwaSirayeli zindawonye.

6URubhen makadle ubomi, angafi; Angabi mbalwa amadoda akhe.

7Le yintsikelelo kaYuda, wathi, Yiva, Yehova, izwi likaYuda, Umngenise kubantu bakowabo; Úyabalwela ngezandla zakhe; Ùmnceda wena kubabandezeli bakhe.

8Wathi ngoLevi, IiTumim zakho neeUrim zakho zezomntu wakho wenceba, Owamlingayo eMasa, Wabambana naye emanzini aseMeribha.

9Lowo uthi kuyise nakunina, Andikuboni; Akatheni nabazalwana bakhe, Akabazi noonyana bakhe; Ngokuba egcine intetho yakho, Wabamba umnqophiso wakho.

10Baya kumyala uYakobi ngamasiko akho, Bamyale uSirayeli ngomyalelo wakho, Babeke isiqhumiso ezimpumlweni zakho, Namadini apheleleyo esibingelelweni sakho.

11Sikelela, Yehova, amandla akhe, Ukholeke kuwe umsebenzi wezandla zakhe. Baphaluswe emanqeni abavukelana naye, Nabamthiyileyo bangabi nakuvuka.

12NgoBhenjamin wathi, Intanda kaYehova iya kuhlala kuye ikholosile; Úyikhúsele imini yonke, Ihlala phakathi kwamagxa akhe.

13NgoYosefu wathi, Malisikelelwe nguYehova ilizwe lakhe Ngezinto ezinconywayo zezulu; Ngombethe nangamanzi enzonzobila elele ezantsi,

14Nangezinconywayo eziveliswa lilanga, Nangezinconywayo ezihlunyiswa ziinyanga,

15Nangeencopho zeentaba zamandulo, Nangezinconywayo zeenduli ezingunaphakade,

16Nangezinconywayo zomhlaba nenzaliseko yawo. Nekholo lowahlala etyholweni Malifike entlokweni kaYosefu, Naselukakayini lwalowo ubalulekileyo kubazalwana bakhe.

17Eyamazibulo inkunzi yakhe, hayi, ubungangamsha bayo! Ziimpondo zenqu iimpondo zayo; Ngazo ihlaba izizwe, ngaxa-nye iziphelo zehlabathi. Ngamawaka alishumi akwaEfrayim ke lawo. Ngamawaka akwaManase ke lawo.

18NgoZebhulon wathi, Vuya, Zebhulon, ngokuphuma kwakho; Vuya, Isakare, ngeentente zakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Baya kumema izizwe, zize entabeni, Babingelele khona imibingelelo yobulungisa;
Ngokuba besanya ubutyebi beelwandle Nezinto eziselelwe entlabathini.

20NgoGadi wathi, Makabongwe owandisa uGadi. Ubuthuma njengengonyamakazi,
Adlavule umkhono, ewe, nokakayi.

21Wazibonela isahlulo esiyingqalo; Ngokuba besibekwe khona isabelo sommisi-
mthetho. Weza kwiintloko zabantu, Wenza ubulungisa bukaYehova, Namasiko akhe
ndawonye namaSirayeli.

22Wathi ngoDan, UDan lithole lengonyama; Usuka umtsi eBhashan.

23NgoNafetali wathi, Nafetali, ukholisiweyo kanye, Uzeleyo yintsikelelo kaYehova,
Wòluhlutha ulwandle nomzantsi.

24NgoAshere wathi, Úsikelelwe ngaphezu koonyana uAshere; Makabe likholo
phakathi kwabazalwana bakhe, Athi nkxu unyawo lwakhe eolini.

25Imivalo yakho yoba sisinyithi nobhedu, Kube ngangeemini zakho ukonwaba
kwakho.

26Akukho unjengoThixo, Yeshurun, Ulokhwela emazulwini eluncedo lwakho,
Ulokhwela esibhakabhakeni enobungangamsha bakhe.

27Likhaya uThixo wamandulo, Ngaphantsi ziingalo ezingunaphakade. Ugxotha
utshaba ebusweni bakho; Uthi, Tshabalalisa!

28USirayeli uhlala ekholosile, Uwodwa umthombo kaYakobi, Usinga ezweni
lengqolowa newayini entsha; Inene izulu lalo liqhoqhoza umbethe.

29Ùnoyolo, Sirayeli! Ngubani na onjengawe, bantu basindiswe nguYehova, Ikhaka
loncedo lwakho, Ikrele lobungangamsha bakho. Ziya kuhanahanisa kuwe iintshaba
zakho, Unyathele ke wena emimangweni yazo.

IDuteronomi 34

Ukufa kukaMoses

1Wenyuka ke uMoses, esuka ezinkqantosini zakwaMowabhi, waya entabeni
yeNebho, encotsheni yePisga, ekhangelene neYeriko. UYehova wambonisa lonke
ilizwe laseGiliyadi, wasa kwaDan,

2nelakwaNafetali lonke, nelizwe lakwaEfrayim noManase, nelizwe lonke lakwaYuda,
wasa elwandle lwasentshonalanga;

3nelasezantsi, nommandla wesihlambo seYeriko, umzi wamasundu, wasa eTsohare.

4Wathi uYehova kuye, Lilo eli ilizwe endafunga ngalo kooAbraham noIsake noYakobi,
ndisithi, Ndiya kulinika imbewu yakho; ndikukhangelisile ngamehlo, ke akuyi kuwela
uye kulo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wafela khona uMoses, umkhonzi kaYehova, ezweni lakwaMowabhi, ngokomlomo kaYehova.

6Wamngcwabela emfuleni, ezweni lakwaMowabhi, malungana neBhete-pehore. Akukho bani ulaziyo ingcwaba lakhe unanamhla.

7UMoses ebeminyaka ilikhulu elinamanci mabini ezelwe, mini wafa; lingenalurhatyazo iliso lakhe, esomelele nokomelela.

8Oonyana bakaSirayeli bamlilela uMoses ezinkqantosini zakwaMowabhi imihla emashumi mathathu; yaphela ke imihla yokumlilela nokumenzela isijwili uMoses.

9Waza uYoshuwa, unyana kaNun, wazala ngumoya wobulumko; ngokuba uMoses wayecinezele ngezandla zakhe phezu kwakhe. Bamphulaphula ke oonyana bakaSirayeli, benza njengoko uMoses wamwisela umthetho ngako.

10Akubanga savela kwaSirayeli mprofeti unjengoMoses, awathi uYehova wamazi, bakhangelana ebusweni;

11ngemiqondiso yonke, nezimanga, awamthumayo uYehova ukuba azenze ezweni laseYiputa kuFaro, nakubakhonzi bakhe bonke, nakwilizwe lakhe lonke;

12nangaso sonke isandla esithe nkqi, nangokoyikeka konke okukhulu, awakwenzayo uMoses emehlweni amaSirayeli onke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYoshuwa

UYoshuwa 1

UYoshuwa unyulelwa ukuthabatha indawo kaMoses

1Kwathi emva kokufa kukaMoses, umkhonzi kaYehova, wathetha uYehova
kuYoshuwa unyana kaNun, umlungiseleli kaMoses, wathi,

2UMoses umkhonzi wam ufile; suka ke ngoko, uyiwele iYordan le, wena naba bantu
bonke, niye kwelo zwe ndibanika lona oonyana bakaSirayeli.

3Iindawo zonke eziya kunyathelwa yintende yonyawo lwenu, ndininikile, njengoko
ndathethayo kuMoses.

4Kuthabathele entlango nakwiLebhanon le, kuse emlanjeni omkhulu, emlanjeni
ongumEfrati, lonke ilizwe lamaHeti, kuse elwandle olukhulu ngasekutshoneni
kwelanga, woba ngumda wenu.

5Akuyi kuma mntu phambi kwakho, yonke imihla yokudla kwakho ubomi; njengoko
ndandinoMoses, ndoba nawe; andiyi kukuyekela, andiyi kukushiya.

6Yomelela ukhaliphe; ngokuba wena uya kulabela bona aba bantu elo lizwe
ndabafungela lona ooyise, ukuba ndiya kubanika.

7Kodwa ke yomelela, ukhaliphe kunene, ukuze ugcine ukwenza ngokomyalelo
wonke, awakuwisela wona uMoses umkhonzi wam. Musa ukutyekela ekunene
nasekhohlo kuwo, ukuze wenze ngengqiqo apho sukuba usiya khona.

8Ize ingesuki incwadi yaló myalelo emlonyeni wakho; uze ucinge ngayo imini
nobusuku, ukuze ugcine, ukwenze konke okubhaliweyo kuyo; ngokuba wòba
nokuphumelela ngendlela yakho oko, ukwenze ngengqiqo oko.

9Yabona, ndikuwisele umthetho wokuba womelele, ukhaliphe. Musa ukunkwantya,
ungaqhiphuki umbilini; ngokuba uYehova uThixo wakho unawe, apho sukuba usiya
khona.

Amalungiselelo okuwela iYordan

10Waza uYoshuwa wabawisela umthetho ababhali babantu, wathi,

11Candani phakathi kweminquba, nibawisele umthetho abantu, nithi, Zilungiseleni
umphako, ngokuba kusele imihla emithathu, ukuze niyiwele iYordan le, ningene
nilihluthe ilizwe elo aninikayo uYehova uThixo wenu, ukuba limiwe nini.

12NakumaRubhen, nakumaGadi, nakwisiqingatha sesizwe sakwaManase, wathi
uYoshuwa,

13Likhumbuleni ilizwi awaniwisela umthetho ngalo uMoses, umkhonzi kaYehova,
esithi, uYehova uThixo wenu uniphumzile, waninika eli lizwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Abafazi benu, nabantwana benu, nemfuyo yenu, yohlala kweli lizwe aninika lona
uMoses nganeno kweYordan; niwele ke nina nixhobile phambi kwabazalwana benu,
nonke nina magorha anobukroti, nibancede,

15ade uYehova abaphumze abazalwana benu njengani, balihluthe nabo elo lizwe
abanikayo uYehova uThixo wenu; nibuyele ke ezweni enilihluthileyo, nime kulo elo
waninikáyo uMoses umkhonzi kaYehova nganeno kweYordan, ngasempumalanga.

16Bamphendula ke uYoshuwa, besithi, Izinto zonke osiwisele umthetho ngazo
sozenza, nalapho sukuba usithume khona soya.

17Ngako konke esamphulaphula ngako uMoses, siya kwenjenjalo ukukuphulaphula
nawe; kodwa ke uYehova uThixo wakho unga angaba nawe, njengokuba
wayenoMoses.

18Bonke abantu abaphikisa umlomo wakho, bangàwaphulaphuli amazwi akho
entweni yonke osiwisela umthetho ngayo, mababulawe; kodwa ke yomelela,
ukhaliphe wena.

UYoshuwa 2

Iintlola ezimbini eYeriko

1UYoshuwa unyana kaNun wesusa amadoda amabini aziintlola, esithi ngasese,
Hambani niye kulikhangela ilizwe neYeriko. Ahamba ke, aya endlwini yenkazana
elihenyukazi, egama linguRahabhi, alala khona.

2Kwathiwa kukumkani waseYeriko, Yabona, kufike apha ebusukunje amadoda avela
koonyana bakaSirayeli, eze kuhlola eli lizwe.

3Wathumela ukumkani waseYeriko kuRahabhi, esithi, Wakhuphe amadoda afikileyo
kuwe, angenileyo endlwini yakho; kuba aze kulihlola lonke ilizwe.

4Yawathabatha loo nkazana loo madoda omabini, yawafihla; yathi, Okunene afikile
kum amadoda lawo, andazi ukuba avela ngaphi na;

5kwathi, ukuvalwa kwesango, kwakuba mnyama, amadoda lawo aphuma; andazi
ukuba ayé ngaphi na amadoda lawo; wasukeleni kamsinya, ngokuba nowafumana.

6Ke yona yayiwanyusele phezu kwendlu, yawaqhusheka ezindizeni zeflakisi, eyabe
izicwangcise phezu kwendlu.

7Amadoda awasukela ngendlela yaseYordan eya emazibukweni; lavalwa isango
emveni kokuba bephumile abo basukelayo.

8Engekalali amadoda, yenyuka yona yaya kuwo phezu kwendlu; yathi kuloo madoda,

9Ndiyazi ukuba uYehova uninikile eli lizwe; nokuba sìwelwe luqhiphuko-mbilini ngani;
nokuba bathé amandla bonke abemi beli lizwe ebusweni benu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuba sivile ukuba uYehova wawomisa amanzi oLwandle oluBomvu phambi kwenu ekuphumeni kwenu eYiputa; noko nakwenzayo kookumkani bobabini bama-Amori, ababephesheya kweYordan, ooSihon no-Ogi, enabasingela phantsi.

11Sivile ke, zanyibilika iintliziyo zethu, akwaba sabakho kuqina kwamxhelo mntwini ngenxa yenu; ngokuba uYehova uThixo wenu nguye uThixo emazulwini phezulu, nasehlabathini phantsi apha.

12Kaloku khanindifungele uYehova, nithi, kuba ndinenzele inceba, niyenzele inceba nani indlu kabawo, nindinike umqondiso wenyaniso;

13nimsindise ubawo, noma, nabanakwethu, noodade bethu, neento zonke abanazo, niyihlangule imiphefumlo yethu ekufeni.

14Athi kuyo amadoda lawo, Umphefumlo wethu wofa esikhundleni sowenu, ukuba aniyixelanga le nto yethu; kothi ekunikweni kwethu eli lizwe nguYehova, sikwenzele inceba nenyaniso.

15Yawahlisa ke ngentsontelo ngefestile; kuba indlu yayo yabe iseludongeni lomzi; yayihleli eludongeni.

16Yathi kuwo, Yiyani entabeni, hleze baqubisane nani abo banisukelayo; zimelani khona iintsuku zibe ntathu, bade babuye abo banisukelayo, nandule ke ukuhamba indlela yenu.

17Athi kuyo amadoda lawo, Soba msulwa kwesi sifungo sakho usifungise sona.

18Uyabona, sákufika kweli lizwe, wobopha intsontelo yosinga olu lubomvu efestileni le usihlise ngayo; uhlanganisele kuwe endlwini yakho uyihlo, nonyoko, nabanakwenu, nendlu yonke kayihlo.

19Kothi, bonke abasukuba bephuma emnyango endlwini yakho, besiya phandle, igazi labo libe phezu kwentloko yabo, sibe msulwa thina; ke bonke abasukuba bekuwe endlwini, igazi labo loba phezu kwentloko yethu, ukuba kuthe kwasiwa sandla kubo.

20Ukuba ke uthe wayixela le nto yethu, sòba msulwa esifungweni sakho osifungise sona.

21Yathi ke, Makube njengamazwi enu, kube njalo. Yawandulula, ahamba ke. Yayibopha intsontelo ebomvu efestileni.

22Ahamba ke aya entabeni, ahlala khona iintsuku zantathu, bada babuya abo bawasukelayo; bafuna abo bawasukelayo endleleni yonke, abawafumana.

23Abuya amadoda omabini, ehla entabeni, awela, afika kuYoshuwa unyana kaNun, ambikela zonke izinto afumenene nazo.

24Athi kuYoshuwa, UYehova ulinikele esandleni sethu lonke ilizwe elo; kananjalo bathé amandla bonke abemi belizwe phambi kwethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYoshuwa 3

Ukuwela iYordan

1Wavuka uYoshuwa kusasa ngengomso. Banduluka eShitim, bafika eYordan, yena
noonyana bonke bamaSirayeli; balalisa khona bengekaweli.

2Kwathi, ekupheleni kwemihla emithathu, bacanda ababhali phakathi kweminquba;

3babawisela abantu umthetho, besithi, Xa nithe nayibona ityeya yomnqophiso
kaYehova uThixo wenu, nababingeleli abangabaLevi beyithwele, nonduluka nani
endaweni yenu, niyilandele.

4Kodwa makubekho ithuba phakathi kwenu nayo, elingáthi ngokulinganisa libe
ngamawaka amabini eekubhite. Ize ningasondeli kuyo, ukuze niyazi indlela
enohamba ngayo; kuba anihambanga ngale ndlela ngaphambili.

5Wathi uYoshuwa ebantwini, Zingcwaliseni; ngokuba ngengomso uYehova uya
kwenza imisebenzi ebalulekileyo phakathi kwenu.

6Wathi uYoshuwa kubabingeleli, Thwalani ityeya yomnqophiso, niwele phambi
kwabantu. Bayithwala ke ityeya yomnqophiso, bahamba phambi kwabantu.

7Wathi uYehova kuYoshuwa, Namhlanje ndiya kuqala ukukwenza mkhulu emehlweni
amaSirayeli onke, ukuze azi ukuba ndiya kuba nawe, njengokuba ndibe ndinoMoses.

8Uze ubawisele wena umthetho ababingeleli abathwele ityeya yomnqophiso, uthi, Xa
nithe nafika elunxwemeni lwamanzi aseYordan, zenime eYordan.

9Wathi uYoshuwa koonyana bakaSirayeli, Sondelani apha, nive amazwi kaYehova
uThixo wenu.

10Wathi ke uYoshuwa, Niya kwazi ngale nto ukuba uThixo ophilileyo uphakathi
kwenu, eya kuwagqogqa kuphele phambi kwenu amaKanan, namaHeti, namaHivi,
namaPerizi, namaGirgashi, nama-Amori, namaYebhusi.

11Nantso ityeya yomnqophiso weNkosi yehlabathi lonke, ingena phambi kwenu
eYordan.

12Zithabatheleni ngoko amadoda abe lishumi elinamabini kuzo izizwe zakwaSirayeli,
indoda ibe nye, indoda ibe nye esizweni.

13Kothi ke, xa zithe zamisa emanzini aseYordan iintende zeenyawo zababingeleli
abathwele ityeya kaYehova, iNkosi yehlabathi lonke, asuke amanzi aseYordan
anqamke, amanzi avela ngasentla eme, abe mfumba-nye.

14Kwathi ke, ekundulukeni kwabantu ezintenteni zabo, ukuba bawele iYordan,
nababingeleli bethwele ityeya yomnqophiso phambi kwabantu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15xa bafikayo eYordan abathwele ityeya, xa zithi xumbu elunxwemeni lwamanzi iinyawo zababingeleli abathwele ityeya — iYordan izala ihamba ngaphandle kweendonga zayo zonke ngexesha lonke lokuvuna —

16asuka ema amanzi avela ngasentla, aphakama aba mfumba-nye, kude kakhulu eAdam, umzi ongasecaleni leTsaretan; athi la ahlayo aya elwandle lweArabha, eLwandle lweTyuwa, anqamka aphela. Bawela ke abantu malunga neYeriko.

17Ababingeleli abathwele ityeya yomnqophiso kaYehova bema bee bhuxe emhlabeni owomileyo phakathi kweYordan; awela onke amaSirayeli kowomileyo, lwada lwagqibela lonke uhlanga ukuwela iYordan.

UYoshuwa 4

Ukumiswa kwamatye esikhumbuzo

1Kwathi ke, xa lwagqibelayo uhlanga lonke ukuyiwela iYordan, wathetha uYehova kuYoshuwa, esithi,

2Zithabatheleni ebantwini amadoda abe lishumi elinamabini, indoda ibe nye, indoda ibe nye esizweni;

3niwawisele umthetho, nithi, Thabathani apha phakathi kweYordan, kule ndawo zimi kuyo iinyawo zababingeleli, amatye okumiswa abe lishumi elinamabini, niwele nawo, niwabeke kuloo ndawo yokulalisa, niya kulalisa kuyo ngobu busuku.

4Wawabiza ke uYoshuwa amadoda alishumi elinamabini, abewamisile koonyana bakaSirayeli, indoda yanye, indoda yanye esizweni.

5Wathi uYoshuwa kuwo, Gqithani phambi kwetyeya kaYehova uThixo wenu, niye eYordan phakathi, nithabathe iyileyo indoda ilitye libe linye, ilibeke egxalabeni layo, ngokwenani lezizwe zoonyana bakaSirayeli;

6ukuze oku kube ngumqondiso phakathi kwenu, xa bathe banibuza oonyana benu ngexesha elizayo, besithi, Ayintoni na la matye kuni?

7Nòthi kubo, Amanzi eYordan anqamka phambi kwetyeya yomnqophiso kaYehova, ekuweleni kwayo eYordan anqamka amanzi eYordan; la matye oba sisikhumbuzo koonyana bakaSirayeli, kude kuse ephakadeni.

8Benjenjalo ke oonyana bakaSirayeli, njengoko uYoshuwa wayebawisele umthetho. Bathabatha amatye alishumi elinamabini eYordan phakathi, njengoko wathethayo uYehova kuYoshuwa, ngokwenani lezizwe zoonyana bakaSirayeli, bawela nawo, baya nawo kuloo ndawo balalisa kuyo, bawabeka khona.

9UYoshuwa wawamisa amatye alishumi elinamabini eYordan phakathi, kuloo ndawo zazimi kuyo iinyawo zababingeleli, abathwele ityeya yomnqophiso; akhona unanamhla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ke ababingeleli ababethwele ityeya bema eYordan phakathi, ada agqitywa onke amazwi uYehova awamwisela umthetho uYoshuwa ukuba awathethe ebantwini, ngokwento yonke uMoses abemwisele umthetho ngayo uYoshuwa.

11Bakhawuleza abantu, bawela. Kwathi, bakugqiba bonke abantu ukuwela, yegqitha ityeya kaYehova nababingeleli phambi kwabantu.

12Bawela oonyana bakaRubhen, noonyana bakaGadi, nesiqingatha sesizwe sakwaManase, bexhobile, phambi koonyana bakaSirayeli, njengoko wathethayo uMoses kubo.

13Ngathi babengamashumi amané amawaka axhobele ukuphuma umkhosi, abaweláyo phambi koYehova, besiya emfazweni, ezinkqantosini zaseYeriko.

14Ngaloo mhla uYehova wamenza mkhulu uYoshuwa emehlweni amaSirayeli onke; amoyika njengoko abemoyika uMoses yonke imihla yobomi bakhe.

15Wathi uYehova kuYoshuwa,

16Bawisele umthetho ababingeleli abathwele ityeya yesingqino, ukuba benyuke baphume eYordan.

17UYoshuwa wabawisela ke umthetho ababingeleli, esithi, Nyukani niphume eYordan.

18Kwathi, ekunyukeni kwababingeleli abathwele ityeya yomnqophiso kaYehova phakathi kweYordan, ekuncothukeni kweentende zeenyawo zababingeleli zafika kowomileyo, abuyela endaweni yawo amanzi aseYordan, ahamba njengokwangaphambili, ngaphandle kweendonga zayo zonke.

19Abantu benyuka baphuma eYordan ngolweshumi enyangeni yokuqala, bamisa eGiligali, ngecala lasempumalanga eYeriko.

20Ke loo matye alishumi elinamabini, abawathabathayo eYordan, uYoshuwa wawamisa eGiligali.

21Wathi koonyana bakaSirayeli, Xa bathe oonyana benu babuza kooyise ngexesha elizayo, besithi,

22Ayintoni na la matye? nòbazisa oonyana benu, nithi, AmaSirayeli ayiwela le Yordan, ehamba emhlabeni owomileyo;

23kuba oko uYehova uThixo wenu wenza ukuba atshe amanzi aseYordan phambi kwenu, nada nawela; waxelisa oko uYehova uThixo wenu wakwenzayo kuLwandle oluBomvu, lona wenza ukuba lutshe phambi kwethu, sada sawela;

24ukuze zonke izizwe zehlabathi zisazi isandla sikaYehova ukuba somelele; ukuze nimoyike uYehova uThixo wenu imihla yonke.

UYoshuwa 5

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kwathi, xenikweni bevayo bonke ookumkani bama-Amori, ababephesheya kweYordan ngasentshonalanga, nookumkani bonke bamaKanan, ababengaselwandle, ukuba uYehova wenzé ukuba atshe amanzi eYordan phambi koonyana bakaSirayeli, bada bawela; zasuka zanyibilika iintliziyo zabo, akwaba sabakho kuqina kwamxhelo kubo phambi koonyana bakaSirayeli.

Uhlaziyo lolwaluko

2Ngelo xesha uYehova wathi kuYoshuwa, Zenzele iintshengece, uphinde okwesibini ukubalùsa oonyana bakaSirayeli.

3Wazenzela ke uYoshuwa iintshengece, wabalùsa oonyana bakaSirayeli endulini yenyama yokwalùswa.

4Nasi isizathu sokuba uYoshuwa abaluse: bonke abantu ababephume eYiputa bengamadoda, onke amadoda okulwa, afela entlango endleleni, ekuphumeni kwawo eYiputa.

5Kuba baye balukile bonke abantu abo baphumáyo; ke bonke abantu ababezalelwe entlango endleleni, ekuphumeni kwabo eYiputa, babengalukanga.

6Kuba oonyana bakaSirayeli bahamba iminyaka emashumi mané entlango, lwada lwaphela lonke uhlanga olungamadoda okulwa awaphumayo eYiputa, angaliphulaphulanga izwi likaYehova; awawafungelayo uYehova ukuba akayi kuwabonisa elo zwe, walifungela ooyise ukuba uya kusinika, ilizwe elibaleka amasi nobusi.

7Ke oonyana babo, awabavelisayo esikhundleni sabo, wabalùsa bona uYoshuwa; kuba babengalukile, ngokuba babengabalùsanga endleleni.

8Kwathi bakuba belugqibile ukulwalùsa lonke uhlanga, bahlala endaweni yabo eminqubeni bada baphola.

9Wathi uYehova kuYoshuwa, Namhla ingcikivo yeYiputa ndiyiqengqile, yesuka kuni; kwathiwa igama laloo ndawo yiGiligali unanamhla.

Ukwenziwa kwepasika

10Bamisa iintente oonyana bakaSirayeli eGiligali, benza ipasika ngosuku lweshumi elinesiné lwenyanga, ngokuhlwa, ezinkqantosini zaseYeriko.

11Badla iziveliso zelo zwe ngengomso lepasika, izonka ezingenagwele namakhweba, ngenkqu yayo loo mini.

12Yaphela imana ngengomso, emva kokudla kwabo iziveliso zelo zwe; ababa saba namana oonyana bakaSirayeli; badla ungeniselo lwelo zwe lakwaKanan ngaloo mnyaka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Kwathi, xa ebeseYeriko, uYoshuwa wawaphakamisa amehlo akhe, wakhangela, wabona kumi indoda malunga naye, ithe rhuthu ikrele layo ngesandla. Waya uYoshuwa kuyo, wathi kuyo, Ùngakúthi, ùngakwiintshaba zethu, kusini na?

14Yathi, Hayi, ndingumthetheli womkhosi kaYehova; ndifikile ngoku. Wawa uYoshuwa ngobuso bakhe emhlabeni, waqubuda, wathi kuyo, Ithetha ntoni na ke inkosi yam kumkhonzi wayo?

15Wathi umthetheli womkhosi kaYehova kuYoshuwa, Khulula iimbadada zakho ezinyaweni zakho; kuba loo ndawo umi kuyo ingcwele. Wenjenjalo uYoshuwa.

UYoshuwa 6

Ukutshatyalaliswa kweYeriko

1Ke iYeriko ibihleli ivaliwe ngenxa yoonyana bakaSirayeli; akwabakho uphumayo, akwabakho ungenayo.

2Wathi uYehova kuYoshuwa, Khangela, ndiyinikele esandleni sakho iYeriko, nokumkani wayo, namagorha anobukroti.

3Nowujikeleza umzi nonke, nina madoda okulwa, niwuzunguleze umzi isihlandlo sibe sinye; wenjenjalo imihla emithandathu.

4Ke isixhenxe sababingeleli sophatha izigodlo ezisixhenxe zokuhlaba umkhosi phambi kwetyeya. Nowujikeleza umzi ngomhla wesixhenxe izihlandlo zibe sixhenxe, ababingeleli baquphe ukuvuthela ngezigodlo.

5Kothi ke, ekoluleni ukuvuthela ngesigodlo sokuhlaba umkhosi, ekusiveni kwenu isandi sesigodlo, badume ngokuduma okukhulu bonke abantu, luwe udonga lomzi luthi bhuma, benyuke ke abantu, elowo athi ngqo malunga naye.

6UYoshuwa, unyana kaNun, wababiza ababingeleli, wathi kubo, Thwalani ityeya yomnqophiso, ababingeleli abasixhenxe baphathe izigodlo ezisixhenxe zokuhlaba umkhosi phambi kwetyeya kaYehova.

7Bathi ebantwini, Dlulani niwujikeleze umzi, abaxhobileyo bagqithele phambi kwetyeya kaYehova.

8Kwathi, xenikweni uYoshuwa abetshilo ebantwini, ababingeleli abasixhenxe, abaphethe izigodlo ezisixhenxe zokuhlaba umkhosi phambi koYehova, bagqitha, baqupha ukuvuthela ngezigodlo, ityeya yomnqophiso kaYehova ibalandela.

9Abaxhobileyo bahamba phambi kwababingeleli abaquphayo ukuvuthela ngezigodlo; abasemva belandela ityeya, kuhanjwa kuqutshwa ukuvuthela ngezigodlo.

10UYoshuwa wabawisela umthetho abantu, wathi, Ize ningadumi, ningalivakalisi ilizwi lenu, kungaphumi nto emlonyeni wenu, kude kube yimini endothi kuni, Dumani; nidume ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ityeya ke kaYehova yawujikeleza umzi, yawuzunguleza isihlandlo sasinye; bangena eminqubeni, balala eminqubeni.

12UYoshuwa wavuka kwakusasa ngengomso; bayithwala ababingeleli ityeya kaYehova.

13Ababingeleli abasixhenxe, abaphethe izigodlo ezisixhenxe zokuhlaba umkhosi phambi kwetyeya kaYehova, bamana behamba, bevuthela ngezigodlo, bequpha; nabaxhobileyo behamba phambi kwabo; nabasemva belandela ityeya kaYehova, kuhanjwa kuvuthelwa ngezigodlo kuqutshwa.

14Bawujikeleza umzi ngomhla wesibini isihlandlo sasinye, babuyela eminqubeni. Benjenjalo ke imihla yamithandathu.

15Kwathi ngomhla wesixhenxe, bavuka kusasa ngesifingo, bawujikeleza umzi kwangolo hlobo izihlandlo zasixhenxe; kungaloo mini yodwa abawujikelezayo umzi izihlandlo zasixhenxe.

16Kwathi ngesihlandlo sesixhenxe, ababingeleli ukuvuthela ngezigodlo baqupha. Wathi ke uYoshuwa ebantwini, Dumani, kuba uYehova uninikile lo mzi.

17Lo mzi woba yinto esingelwe phantsi kuYehova, wona nento yonke ekuwo; kuphela nguRahabhi ihenyukazi yedwa owodla ubomi, yena nento yonke ekuye endlwini yakhe; ngokuba wabazimeza abathunywa esabathumayo.

18Kodwa ke zigcineni entweni esingelwe phantsi, hleze nani nizisingele phantsi ngokuthabatha entweni esingelwe phantsi, niwenze umzi wakwaSirayeli ube yinto esingelwe phantsi, niwuhlisele ishwangusha.

19Ke yona yonke isilivere, negolide, nempahla yobhedu, neyesinyithi, iyingcwele kuYehova; yongena ebuncwaneni bukaYehova.

20Baduma ke abantu ukuvuthela ngezigodlo bequpha; kwathi, bakusiva abantu isandi sesigodlo, baduma abantu ngokuduma okukhulu, lwawa udonga lwathi bhuma. Benyuka abantu kuwo umzi, elowo wathi ngqo, bawuthimba umzi.

21Bazisingela phantsi ngohlangothi lwekrele zonke izinto ezikuloo mzi, bethabathela kwindoda besa kumfazi, bethabathela kwindodana besa kwixhego, besa nakwinkomo, nakwimpahla emfutshane, nakwiesile.

22UYoshuwa wayeselethe kumadoda amabini abelihlolile ilizwe, Yiyani kwindlu yenkazana leya ilihenyukazi, niyikhuphe khona loo nkazana nento yonke enayo, njengoko nayifungelayo.

23Abengenile ke amadodana aziintlola, amkhupha uRahabhi, noyise, nonina, nabanakwabo, nabo bonke abenabo; nemizalwane yakhe yonke bayikhupha, bayibeka ngaphandle kweminquba yakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Bawutshisa umzi ngomlilo, neento zonke ezikuwo; kodwa isilivere, negolide, nempahla yobhedu, neyesinyithi, bayibeka ebuncwaneni bendlu kaYehova.

25Ke uRahabhi, ihenyukazi, nendlu kayise, nabo bonke abenabo, uYoshuwa wamsindisa; wahlala phakathi kwamaSirayeli unanamhla; ngokuba wabazimezayo abathunywa, abebathumile uYoshuwa ukuba bayihlole iYeriko.

26Wafunga uYoshuwa ngelo xesha, esithi, Uqalekisiwe phambi koYehova umntu oya kusuka awakhe lo mzi, iYeriko le; wówuseka ngowamazibulo akhe, azimise iingcango zawo ngowamathumbu akhe.

27UYehova waba noYoshuwa; udumo lwakhe lwaba sezweni lonke.

UYoshuwa 7

AmaSirayeli aphanziswa eAyi ngenxa yesono sika-Akan

1Ke kaloku oonyana bakaSirayeli benza ubumenemene entweni esingelwe phantsi. UAkan, unyana kaKarmi, unyana kaZabhedi, unyana kaZera, wesizwe sakwaYuda, wathabatha entweni esingelwe phantsi. Wavutha ke umsindo kaYehova konyana bakaSirayeli.

2UYoshuwa wasusa amadoda eYeriko ukuba aye eAyi, engaseBhetaven, ngasempumalanga eBheteli, wathi kuwo, Nyukani nilihlole ilizwe. Anyuka ke amadoda lawo, ayihlola iAyi.

3Abuyela kuYoshuwa, athi kuye, Mabangenyuki bonke abantu; makunyuke amadoda amayela kumawaka amabini, nokuba ngamadoda amayela kumawaka amathathu, ayichithe iAyi. Musa ukubadinisa bonke abantu ngokubása khona; kuba abaa bantu bambalwa.

4Kwenyuka ke kwaya khona kubantu amadoda amayela kumawaka amathathu; esuka asaba phambi kwamadoda aseAyi.

5Amadoda aseAyi abulala kuwo amadoda amayela kumashumi amathathu anamathandathu, awasukela phambi kwesango, kwesa eShebharim, awabulala ethambekeni. Yanyibilika intliziyo yabantu, yaba ngamanzi.

6Wazikrazula ke uYoshuwa iingubo zakhe, wawa ngobuso emhlabeni phambi kwetyeya kaYehova kwada kwahlwa, yena namadoda amakhulu akwaSirayeli, bagalela uthuli phezu kweentloko.

7Wathi uYoshuwa, Awu, Nkosi, Yehova, yini na ukuba aba bantu ubaweze iYordan, usinikele esandleni sama-Amori ukuba asibhubhise? Akwaba kanye bekukholekile kuthi ukuhlala phesheya kweYordan!

8Camagu, Nkosi yam, ndiya kuthini na emveni kokuba amaSirayeli ezinikele ikhosi iintshaba zawo!

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Aya kuva amaKanan, nabemi bonke belizwe, asirhawule, alicime igama lethu ehlabathini. Wénze ntoni na ke kwigama lakho elikhulu?

10Wathi uYehova kuYoshuwa, Vuka! Ùweleni na ngobuso?

11Onile amaSirayeli; ewe, awugqithile umnqophiso wam endawawisela umthetho ngawo; ewe, athabathile entweni esingelwe phantsi; ebile, akhanyele, ewe, ayibeké ezimpahleni zawo.

12Ababa nako ke oonyana bakaSirayeli ukuma phambi kweentshaba zabo, bazinikela ikhosi iintshaba zabo, ngokuba bebeyinto esingelwe phantsi. Andiyi kuphinda ndibe nani, ukuba ayithanga itshatyalaliswe into esingelwe phantsi phakathi kwenu.

13Vuka, ubangcwalise abantu, uthi, Zingcwaliseleni ingomso; ngokuba utsho uYehova uThixo kaSirayeli, ukuthi, Kukho nto isingelwe phantsi phakathi kwakho, Sirayeli; akunako ukuma phambi kweentshaba zakho, nide niyisuse into esingelwe phantsi phakathi kwenu.

14Ize nisondele kusasa ngokwezizwe zenu, isizwe athe wacisha sona uYehova sisondele ngokwezindlu zaso; indlu athe wacisha yona uYehova isondele ngokwamadoda ayo;

15ithi leyo kucishwe yona inento esingelwe phantsi, itshiswe ngomlilo, nezinto zonke enazo; ngokuba iwugqithile umnqophiso kaYehova, nangokuba yenzé ubudenge kwaSirayeli.

16Wavuka uYoshuwa kusasa ngengomso, wawasondeza amaSirayeli ngokwezizwe zawo, kwacishwa isizwe sakwaYuda;

17wayisondeza imizalwane yakwaYuda, kwacishwa umzalwane wakwaZera; wawusondeza umzalwane wakwaZera ngokwamadoda awo, kwacishwa uZabhedi;

18wayisondeza indlu yakhe ngokwamadoda ayo, kwacishwa uAkan, unyana kaKarmi, unyana kaZabhedi, unyana kaZera, wesizwe sakwaYuda.

19Wathi uYoshuwa kuAkan, Nyana wam, mzukise uYehova uThixo kaSirayeli, umdumise; khawundixelele into oyenzileyo; musa ukukhanyela kum.

20UAkan wamphendula uYoshuwa, wathi, Okunene ndonile kuYehova uThixo kaSirayeli, ndenjenje, ndenjenje:

21ndabona emaxhobeni ingubo enkulu entle yaseShinare yanye, neeshekele zesilivere zaba makhulu mabini, nesinqumka segolide sasinye esiziishekele ezimashumi mahlanu ubunzima baso; ndazinqwenela, ndazithabatha; nanzo zimbelwe emhlabeni phakathi kwentente yam, isilivere ingaphantsi.

22Wathuma uYoshuwa abathunywa; bagidima baya ententeni; nanzo zimbelwe ententeni yakhe, isilivere ingaphantsi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Bazithabatha phantsi kwentente, bazisa kuYoshuwa, nakoonyana bakaSirayeli bonke; bazikhuphela phambi koYehova.

24UYoshuwa enamaSirayeli onke, wamthabatha uAkan unyana kaZera, nesilivere, nengubo enkulu, nesinqumka segolide, noonyana bakhe, neentombi zakhe, neenkomo zakhe, namaesile akhe, nempahla yakhe emfutshane, nentente yakhe, nezinto zonke anazo, bazisa entilini yeAkore.

25Wathi uYoshuwa, Azi, ùsihlisele ishwangusha! Namhla uYehova uya kukuhlisela ishwangusha. Onke amaSirayeli amxuluba ke ngamatye, azitshisa ezo nto ngomlilo.

26Aphosa amatye phezu kwazo. Amisa phezu kwakhe imfumba enkulu yamatye, ekhoyo unanamhla. Wabuya ke uYehova ekuvutheni komsindo wakhe. Kungoko kwathiwa igama laloo ndawo yintili yeAkore unanamhla.

UYoshuwa 8

Ukuthinjwa kweAyi

1Wathi uYehova kuYoshuwa, Musa ukoyika, ungaqhiphuki umbilini. Thabatha bonke abantu bokulwa, usuke, unyuke, uye eAyi. Yabona, ndimnikele esandleni sakho ukumkani waseAyi, nabantu bakhe, nomzi wakhe, nelizwe lakhe;

2wenzè kwiAyi nokumkani wayo njengoko wenza ngako kwiYeriko nokumkani wayo; kodwa nozithimbela amaxhoba ayo, neenkomo zayo; wòbeka kuloo mzi abalaleli emva kwawo.

3Wesuka uYoshuwa nabantu bonke bokulwa, wenyuka, waya eAyi. UYoshuwa wanyula amadoda angamagorha anobukroti, angamashumi amathathu amawaka, wawasusa ngobusuku.

4Wawawisela umthetho, esithi, Yabonani, ningábalaleli kuwo umzi, emva komzi; musani ukuba kude kakhulu kuwo umzi, lungani nonke niphela.

5Mna ke, nabantu bonke abanam, siya kusondela kuwo umzi. Kothi, bakuphuma basihlangabeze, njengokuyá kokuqala, sisuke sirhole phambi kwabo.

6Bophuma ke basilandele, side sibarhole kuwo umzi; kuba baya kuthi, Bayasaba phambi kwethu, njengokuyá kokuqala. Siya kurhola ke thina phambi kwabo;

7nisuke ke nina ekulaleleni kwenu, niwuhluthe umzi. UYehova uThixo wenu uwunikele esandleni senu.

8Kothi, xenikweni nithe nawuthabatha umzi, niwufake isikhuni, nenze ngokwelizwi likaYehova. Yabonani, ndiniwisele umthetho.

9Wawasusa ke uYoshuwa; aya kulalela, ahlala phakathi kweBheteli neAyi, ngasentshonalanga eAyi; uYoshuwa walala phakathi kwabantu ngobo busuku.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Wavuka kusasa ngengomso uYoshuwa, wabahlela abantu, wenyuka, yena namadoda amakhulu akwaSirayeli phambi kwabantu, waya eAyi.

11Bonke abantu bokulwa ababenaye benyuka, basondela, beza phambi komzi, bamisa ngasentla kweAyi; kwabakho umfula phakathi kwabo neAyi.

12Wathabatha amadoda amayela kumawaka amahlanu, wawabeka ekulaleleni phakathi kweBheteli neAyi, ngasentshonalanga komzi.

13Abantu babeyimisile yonke impi ebingasentla komzi, nabalaleli bayo ngasentshonalanga komzi. UYoshuwa wacanda phakathi komfula ngobo busuku.

14Kwathi, akubona ukumkani waseAyi, amadoda aloo mzi angxama, avuka kwakusasa, aphuma eya kuhlangabeza amaSirayeli ukuba kuliwe, yena nabantu bakhe bonke, endaweni emisiweyo phambi kweArabha. Ebengazi ke yena ukuba kulalelwe emva komzi.

15UYoshuwa namaSirayeli onke bazenza aboyisiweyo phambi kwabo, barhola ngendlela yasentlango.

16Bahlatyelwa umkhosi bonke abantu abakuloo mzi ukuba babasukele. Bamsukela ke uYoshuwa, baqhiwukana nomzi wabo.

17Akwasala nanye indoda eAyi naseBheteli, engaphumanga iwalandele amaSirayeli; bawushiya umzi uvulekile, bawasukela amaSirayeli.

18Wathi uYehova kuYoshuwa, wólule umkhonto osesandleni sakho ngakwiAyi; kuba ndiya kuyinikela esandleni sakho. Wawolula ke uYoshuwa umkhonto osesandleni sakhe ngakuwo umzi.

19Besuka abalaleli ngokukhawuleza endaweni yabo, bagidima; ákusolula isandla sakhe, bangena kuloo mzi, bawuthimba, bangxama, bawufaka isikhuni.

20Abheka emva kwawo amadoda aseAyi, abona, nango umsi womzi unyuka usiya ezulwini; akaba namandla okusabela ngapha nangapha; bathi abantu ababesabele entlango, babaguqukela ababasukelayo.

21UYoshuwa namaSirayeli onke abona ukuba abalaleli bawuthimbile umzi, nokuba umsi womzi uyenyuka, babuya ke bawabulala amadoda aseAyi.

22Baphuma abaya kuloo mzi, beza kubakhawulela; aba phakathi kwabakwaSirayeli, abanye bangapha, abanye bangapha; bawabulala ke kwada akwasala usabileyo, nosindileyo.

23Bambamba ehleli ukumkani waseAyi, bamsondeza kuYoshuwa.

24Kwathi, xa amaSirayeli abegqibile ukubabulala bonke abemi baseAyi ezweni, entlango apho abebasukele khona, naxa babewile bonke ngohlangothi lwekrele bada bagqitywa, amaSirayeli onke abuyela eAyi, ayibulala ngohlangothi lwekrele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Kwathi, bonke abawáyo ngaloo mini, bethabathela kwindoda besisa kumfazi, bangamawaka alishumi elinamabini, bonke abantu baseAyi.

26Akasibuyisanga uYoshuwa isandla sakhe, awolule umkhonto ngaso, bada batshatyalaliswa bonke abemi baseAyi.

27Kodwa iinkomo namaxhoba aloo mzi azithimbela amaSirayeli ngokwelizwi likaYehova, abemwisele umthetho ngalo uYoshuwa.

28Wayitshisa ke uYoshuwa iAyi, wayenza umwewe ongunaphakade, inxowa unanamhla.

29Wamxhoma emthini ukumkani waseAyi kwada kwalixesha langokuhlwa; lakutshona ilanga, wawisa umthetho uYoshuwa ukuba basithule isidumbu sakhe emthini; basiphosa esithubeni sesango lomzi, bamisa phezu kwaso imfumba enkulu yamatye; ikhona unanamhla.

Ukuzinziswa komnqophiso entabeni ye-Ebhali

30Waza uYoshuwa wamakhela uYehova uThixo kaSirayeli isibingelelo entabeni ye-Ebhali, njengoko uMoses,

31umkhonzi kaYehova, wabawiselayo oonyana bakaSirayeli umthetho, njengoko kubhaliweyo encwadini yomyalelo kaMoses: isibingelelo samatye awonke esingasetyenzwanga ngantsimbi. Banyusa phezu kwaso amadini anyukayo kuYehova, babingelela imibingelelo yoxolo.

32Wabhala khona ematyeni, wawuphinda ukuwubhala umyalelo kaMoses, awawubhalayo phambi koonyana bakaSirayeli.

33Onke amaSirayeli, namadoda awo amakhulu, nababhali, nabagwebi bawo, ema ngapha nangapha kwetyeya, phambi kwababingeleli abangabaLevi, abathwele ityeya yomnqophiso kaYehova, owasemzini enjengozalwayo; esinye isiqingatha sabo simalunga nentaba yeGerizim, esinye isiqingatha sabo simalunga nentaba ye-Ebhali; njengoko uMoses umkhonzi kaYehova wawisayo umthetho ngenxa engaphambili, ukuba basikelelwe abantu bakwaSirayeli.

34Emveni koko wawalesa onke amazwi omyalelo, iintsikelelo neziqalekiso, ngako konke okubhaliweyo encwadini yomyalelo.

35Akwabakho nalinye ilizwi kuwo onke amazwi abewise uMoses umthetho ngawo, angalilesanga uYoshuwa phambi kwebandla lonke lamaSirayeli, nabafazi, nabantwana, nowasemzini ohamba phakathi kwawo.

UYoshuwa 9

Umnqophiso namaGibheyon

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kwathi, bakuva bonke ookumkani abanganeno kweYordan ezintabeni,
nasezihlanjeni, nangaselwandle lonke olukhulu, kwasingisa eLebhanon, amaHeti,
nama-Amori, namaKanan, namaPerizi,

2namaHivi, namaYebhusi, babuthelana ndawonye, ukuba balwe ngamxhelo mnye
noYoshuwa namaSirayeli.

3Ke abemi baseGibheyon beva oko akwenzileyo uYoshuwa kwiYeriko, nakwiAyi,

4benza nabo ngobuqhopholo. Baya bazenza izigidimi, babeka iingxowa
ezonakeleyo emaesileni abo, neentsuba zewayini ezonakeleyo, ezikrazukileyo,
ezibotshiweyo,

5neembadada ezonakeleyo, ezixoliweyo, ezinyaweni zabo; bambatha neengubo
ezonakeleyo; nesonka sonke somphako wabo besomile, besingundile kunene.

6Beza kuYoshuwa emkhosini eGiligali, bathi kuye nakumadoda akwaSirayeli, Sivela
ezweni elikude; simiseleni ngoko umnqophiso.

7Athi amadoda akwaSirayeli kumaHivi lawo, Hi, kanti nikwahleli phakathi kwethu;
sòthini na ukunimisela umnqophiso?

8Bathi kuYoshuwa, Singabakhonzi bakho. Wathi uYoshuwa kubo, Ningoobani na,
nivela phi na?

9Bathi kuye, Bavela kwelikude kakhulu ilizwe abakhonzi bakho, ngenxa yegama
likaYehova uThixo wakho; kuba siluvile udumo lwakhe, nento yonke awayenzayo
eYiputa;

10nento yonke awayenzayo kookumkani bobabini bama-Amori, ababephesheya
kweYordan, kuSihon ukumkani waseHeshbhon, nakuOgi ukumkani waseBhashan
obeseAshtaroti.

11Atsho kuthi amadoda amakhulu, nabemi bonke belizwe lakowethu, ukuthi,
Phathani ezandleni zenu umphako wendlela, niye kuwakhawulela, nithi kuwo,
Singabakhonzi benu; simiseleni ngoko umnqophiso.

12Esi sisonka sethu sasenza umphako wethu sishushu ezindlwini zethu, ngomhla
wokuphuma kwethu ekhaya ukuza kuni; ngoku nasi somile, singundile;

13iintsuba ezi zewayini sazizalisa zísentsha; nanzi zíkrazukile; nanzi neengubo zethu,
neembadada zethu, zonakele ngobude bendlela.

14Acaphula ke amadoda emphakweni wabo, akabuza cebo emlonyeni kaYehova.

15Wenza uxolo nabo uYoshuwa, wabamisela umnqophiso wokubasindisa;
zabafungela nezikhulu zalo ibandla.

16Kwathi, ekupheleni kwemihla emithathu emveni kokuba bebamisele umnqophiso,
beva ukuba bakufuphi kubo, nokuba bahleli kwaphakathi kwabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

17Banduluka oonyana bakaSirayeli, bafika emizini yabo ngomhla wesithathu. Imizi yabo yiGibheyon, neKefira, neBheroti, neKiriyati-yeharim.

18Oonyana bakaSirayeli àbababulala, ngokuba izikhulu zebandla zibe zifunge uYehova uThixo kaSirayeli kubo. Lazikrokrela izikhulu lonke ibandla.

19Zathi zonke izikhulu kwibandla lonke, Thina sifungé uYehova uThixo kaSirayeli kubo, ke ngoko asinakubachukumisa.

20Masenjenje kubo: masibasindise, kungabikho burhalarhume phezu kwethu ngenxa yesifungo esabafungela sona.

21Zathi izikhulu kubo, Mabadle ubomi; mababe ngabathezi beenkuni nabakhi bamanzi bebandla lonke; njengoko zathethayo izikhulu kubo.

22Wababiza ke uYoshuwa, wathetha kubo, esithi, Nisikhohliseleni na, nisithi, Simgama kakhulu kuni; kanti nihleli kwaphakathi kwethu?

23Niqalekisiwe ngoko; kuni akuyi kunqumka bakhonzi, bathezi beenkuni, bakhi bamanzi bendlu kaThixo wam.

24Baphendula bathi kuYoshuwa, Baxelelwa ngokuqinisekileyo abakhonzi bakho, okokuba uYehova uThixo wakho wamwisela uMoses umkhonzi wakhe umthetho, ukuba úya kuninika lonke ilizwe, nokuba úya kubatshabalalisa bonke abemi belizwe ebusweni benu; sayoyikela kunene ke imiphefumlo yethu ebusweni benu, senza le nto ke.

25Kalokunje nanku sisesandleni sakho; yenza njengoko kulungileyo, njengoko kuthe tye emehlweni akho ukwenza kuthi.

26Wenjenjalo ke kubo, wabahlangula esandleni soonyana bakaSirayeli, àbababulala.

27UYoshuwa wabenza ngaloo mini abathezi beenkuni nabakhi bamanzi, ebandleni nasesibingelelweni sikaYehova, unanamhla, kuloo ndawo athe wayinyula.

UYoshuwa 10

Ukoyiswa nokufa kookumkani abahlanu eBhete-horon

1Kwathi, akuva uAdoni-tsedeki, ukumkani waseYerusalem, ukuba uYoshuwa uyithimbile iAyi, wayitshabalalisa; njengoko wenza ngako kwiYeriko nokumkani wayo, wenjenjalo kwiAyi nokumkani wayo; nokuba abemi baseGibheyon benzé uxolo namaSirayeli, baba phakathi kwawo:

2boyika kunene, kuba ngumzi omkhulu iGibheyon, njengomnye wemizi yobukumkani, ngokuba inkulu kuneAyi, namadoda ayo onke angamagorha.

3Wesuka uAdonitsedeki ukumkani waseYerusalem, wathumela kuHoham ukumkani waseHebron, nakuPiram ukumkani waseYarmuti, nakuYafiya ukumkani waseLakishe, nakuDebhiri ukumkani wase-Eglon, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Nyukani nize kum, nindincede, siyixabele iGibheyon; kuba yenzé uxolo noYoshuwa
noonyana bakaSirayeli.

5Bahlangana ke, benyuka ookumkani abo bama-Amori bobahlanu, ukumkani
waseYerusalem, nokumkani waseHebron, nokumkani waseYarmuti, nokumkani
waseLakishe, nokumkani wase-Eglon, bona nemikhosi yabo yonke, bayingqinga
iGibheyon, balwa nayo.

6Athumela ke amadoda aseGibheyon kuYoshuwa emkhosini eGiligali, esithi, Musa
ukusiyekelela isandla sakho kubakhonzi bakho; nyuka uze kúthi ngokukhawuleza,
usisindise, usincede; ngokuba bebuthelene phezu kwethu bonke ookumkani bama-
Amori abemiyo ezintabeni.

7Wenyuka ke uYoshuwa, esuka eGiligali, yena nabantu bonke bokulwa bendawonye
naye, namagorha onke anobukroti.

8Wathi uYehova kuYoshuwa, Musa ukuboyika; kuba ndibanikele esandleni sakho;
akuyi kuma ndoda kubo phambi kwakho.

9Wafika uYoshuwa kubo ngebhaqo; wenyuka bonke ubusuku, evela eGiligali.

10UYehova wabadubaduba phambi kwamaSirayeli, ababulala ngobulawo olukhulu
eGibheyon; abasukela ngendlela enyuka iye eBhete-horon, ababulala kwada kwesa
eAzeka, kwada kwesa naseMakeda.

11Kwathi, ekusabeni kwabo phambi kwamaSirayeli, besethambekeni laseBhete-
horon, uYehova wabathobela amatye amakhulu ezulwini, kwada kwesa eAzeka, bafa.
Babaninzi abafa ngamatye esichotho, kunababulawáyo ngoonyana bakaSirayeli
ngekrele.

12Waza wathetha uYoshuwa kuYehova, mhlana uYehova wawanikela ama-Amori
koonyana bakaSirayeli, wathi emehlweni amaSirayeli: Langa, nqumama eGibheyon,
Nawe nyanga, entilini yeAyalon.

13Lathi nqumama ke ilanga, yema inyanga, Lwada uhlanga lwaziphindezelela
ezintshabeni zalo. Oku akubhalwanga na eNcwadini yOthe Tye? Lema ke ilanga
esazulwini sezulu, alangxama ukutshona, yangathi yimini iphela.

14Akuzanga kubekho mini injengaleyo, phambi kwayo nangasemva kwayo,
ngokokude uYehova aliphulaphule izwi lomntu; ngokuba uYehova wawalwela
amaSirayeli.

15Wabuya uYoshuwa, enamaSirayeli onke, waya eminqubeni eGiligali.

16Basaba abo kumkani bahlanu, bazimela emqolombeni eMakeda.

17Kwaxelwa kuYoshuwa, kwathiwa, Sibafumene ookumkani bobahlanu, bezimele
emqolombeni eMakeda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Wathi uYoshuwa, Qengqelani amatye amakhulu emlonyeni womqolomba, nimise amadoda phezu kwawo ukuba abalinde.

19Ke nina musani ukuma; zisukeleni iintshaba zenu, niwubethe umqosheliso wazo. Musani ukuwuvumela ungene emizini yawo, kuba uYehova uThixo wenu uwunikele esandleni senu.

20Kwathi, akugqiba uYoshuwa noonyana bakaSirayeli ukuzibulala kakhulu kunene zada zagqitywa, zathi eziseleyo kuzo, zaya kungena emizini enqatyisiweyo.

21Babuye ke bonke abantu, baya emkhosini kuYoshuwa eMakeda ngoxolo; akwabakho nja ibavungamelayo oonyana bakaSirayeli, kwanabani.

22Wathi uYoshuwa, Vulani umlomo womqolomba, nibakhuphe emqolombeni abaa kumkani bobahlanu, beze kum.

23Benjenjalo ke; babakhupha emqolombeni, beza kuye abo kumkani bobahlanu, ukumkani waseYerusalem, nokumkani waseHebron, nokumkani waseYarmuti, nokumkani waseLakishe, nokumkani wase-Eglon.

24Kwathi, bakubakhupha, babása kuYoshuwa abo kumkani; wawabiza uYoshuwa onke amadoda akwaSirayeli, wathi kubaphathi bamadoda okulwa ababehambe naye, Sondelani, nibanyathele entanyeni aba kumkani. Basondela ke, babanyathela ezintanyeni zabo.

25Wathi uYoshuwa kubo, Musani ukoyika, musani ukuqhiphuka umbilini: yomelelani, nikhaliphe, ngokuba uYehova uya kwenjenjalo kwiintshaba zenu zonke enilwa nazo.

26Wabaxabela ke uYoshuwa, emveni koko wababulala, wabaxhoma emithini emihlanu; baxhonywa emithini apho kwada kwahlwa.

27Kwathi ngexesha lokutshona kwelanga, uYoshuwa wawisa umthetho, babathula emithini, babaphosa emqolombeni ababezímele kuwo, babeka amatye amakhulu emlonyeni womqolomba, asekhoyo nanamhlanje.

Ukoyiswa kwelasezantsi lakwaKanan

28UYoshuwa wayithimba neMakeda ngaloo mini, wayixabela ngohlangothi lwekrele, nokumkani wayo, wabatshabalalisa kwanabantu bonke abakuyo; akasalisa namnye usindileyo. Wenza kukumkani waseMakeda njengoko wenza ngako kukumkani waseYeriko.

29Wagqitha uYoshuwa enamaSirayeli onke eMakeda, waya eLibhena, walwa neLibhena.

30Wayinikela kananjalo uYehova esandleni samaSirayeli, nokumkani wayo, wayixabela ngohlangothi lwekrele, kwanabantu bonke abakuyo; akasalisa kuyo namnye usindileyo. Wenza kukumkani wayo njengoko wenza ngako kukumkani waseYeriko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Wagqitha uYoshuwa eLibhena, enamaSirayeli onke, waya eLakishe, wayingqinga, walwa nayo.

32UYehova wayinikela iLakishe esandleni samaSirayeli, ayithimba ngomhla wesibini, ayixabela ngohlangothi lwekrele, kwanabantu bonke abakuyo, njengako konke awakwenzayo kwiLibhena.

33Waza wenyuka uHoram, ukumkani waseGezere, waya kuyinceda iLakishe. UYoshuwa wambulala yena nabantu bakhe, kwada akwasala namnye kuye usindileyo.

34Wegqitha uYoshuwa eLakishe, enamaSirayeli onke, aya e-Eglon, ayingqinga, alwa nayo.

35Ayithimba ngaloo mhla, ayixabela ngohlangothi lwekrele, kwanabantu bonke abakuyo; wayitshabalalisa ngaloo mhla, njengako konke awakwenzayo kwiLakishe.

36Wenyuka uYoshuwa esuka e-Eglon, waya eHebron, enamaSirayeli onke, alwa nayo,

37ayithimba, ayixabela ngohlangothi lwekrele, nokumkani wayo, nemizi yayo yonke, nabantu bonke abakuyo; akwasala namnye usindileyo, njengako konke awakwenzayo kwiEglon; watshabalalisa kwanabantu bonke abakuyo.

38Wabuya ke uYoshuwa enamaSirayeli onke, weza eDebhiri, walwa nayo.

39Wayithimba, nokumkani wayo, nemizi yayo yonke, ayixabela ngohlangothi lwekrele. Ayitshabalalisa kwanabantu bonke abakuyo; akwasala namnye usindileyo; njengoko wakwenzayo kwiHebron, wenjenjalo kwiDebhiri, nakukumkani wayo; njengoko wakwenzayo kwiLibhena, nakukumkani wayo.

40Walibulala ke uYoshuwa lonke ilizwe leentaba, nelasezantsi nelezihlambo, nelamaxandeka, nabo bonke ookumkani balo; akwasala namnye usindileyo. Watshabalalisa konke okuphefumlayo, njengoko wawisa umthetho uYehova uThixo kaSirayeli.

41Wababulala uYoshuwa, wathabathela eKadeshe-bharneha, wesa eGaza, nelizwe lonke laseGoshen, wesa eGibheyon.

42Wabathimba uYoshuwa bonke abo kumkani, nelizwe labo, ngasihlandlo sinye, ngokuba uYehova uThixo kaSirayeli ebewalwela amaSirayeli.

43Wabuya uYoshuwa enamaSirayeli onke, weza eminqubeni eGiligali.

UYoshuwa 11

Ukoyiswa kukaYabhin nabanye ookumkani

1Kwathi, akukuva oko uYabhin ukumkani waseHatsore, wathuma kuYobhabhi ukumkani waseMadon, nakukumkani waseShimron, nakukumkani waseAkeshafi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2nakookumkani abangasentla ezintabeni, naseArabha ngasezantsi kweKineroti, nasezihlanjeni, nasezindulini zaseDore engasentshonalanga,

3kumaKanan empumalanga nasetshonalanga, nakuma-Amori, nakumaHeti, nakumaPerizi, nakumaYebhusi ezintabeni, nakumaHivi aphantsi kweHermon ezweni leMizpa.

4Baphuma ke bona benemikhosi yabo yonke, abantu abaninzi njengentlabathi eselunxwemeni lolwandle ukuba baninzi, namahashe, neenqwelo zokulwa, into eninzi kunene.

5Bavumelana ke abo kumkani bonke; beza bamisa ndawonye emanzini aseMerom, ukuba balwe namaSirayeli.

6Wathi uYehova kuYoshuwa, Musa ukoyika ngenxa yabo; ngokuba ngomso eli xa ndiya kubanikela bonke bephela, behlatyiwe, emandleni amaSirayeli, uwanqumle imisipha amahashe abo, uzitshise ngomlilo iinqwelo zabo zokulwa.

7Waya ke uYoshuwa, enabantu bonke bokulwa, wabafikela ngebhaqo emanzini aseMerom, babawela.

8UYehova wabanikela esandleni samaSirayeli, ababulala, abasukela kwesa eTsidon enkulu, kwesa eMiserefoti-mayim, kwesa ethafeni laseMizpa empumalanga; ababulala kwada akwasala namnye kubo usindileyo.

9Wenza ke uYoshuwa kubo njengoko wathethayo uYehova kuye; amahashe abo wawanqumla imisipha, iinqwelo zabo zokulwa wazitshisa ngomlilo.

10Wabuya uYoshuwa ngelo xesha, wayithimba iHatsore, wambulala ukumkani wayo ngekrele, kuba iHatsore ngenxa engaphambili ibe iyintloko yezo zikumkani zonke.

11Ababulala bonke abantu abakuyo ngohlangothi lwekrele, ayitshabalalisa; akwasala namnye uphefumlayo; ayitshisa iHatsore ngomlilo.

12Yonke imizi yabo kumkani, nabo kumkani bayo bonke, wabathimba uYoshuwa; wababulala ngohlangothi lwekrele, wabatshabalalisa, njengoko uMoses umkhonzi kaYehova wawisayo umthetho.

13Kodwa yonke imizi emi emimangweni yayo amaSirayeli akayitshisanga; yaba yiHatsore yodwa awayitshisayo uYoshuwa.

14Onke amaxhoba aloo mizi neenkomo bazithimbela oonyana bakaSirayeli; kodwa bababulala bonke abantu ngohlangothi lwekrele, bada babatshabalalisa, abasalisa namnye uphefumlayo.

15Njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses umkhonzi wakhe, wenjenjalo uMoses ukumwisela umthetho uYoshuwa. Wenjenjalo ke uYoshuwa; akasusa nalinye ilizwi kuko konke uYehova awamwisela uMoses umthetho ngako.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Walithabatha ke uYoshuwa lonke elo zwe leentaba, nelasezantsi lonke, nelizwe laseGoshen lonke, nelezihlambo, neleArabha, neentaba zakwaSirayeli, nezihlambo zazo;

17elithabathela ezintabeni ezimkhuthuka, ezinyuka ziye kwaSehire, lesa eBhahali-gadi, ethafeni laseLebhanon, phantsi kwentaba yeHermon. Bonke ookumkani bawo wabathimba, wabaxabela, wababulala.

18Yaba mininzi ke imihla esenza imfazwe uYoshuwa nabo kumkani bonke.

19Akubangakho mzi wazinikelayo ngoxolo koonyana bakaSirayeli, ingengamaHivi abemi baseGibheyon; yonke bayithabatha ngokulwa.

20Ngokuba kwavela kuYehova ukuziqinisa iintliziyo zabo, ukuba bawahlangabeze amaSirayeli ngemfazwe, ukuze abatshabalalise, ukuze kungabikho kubabalwa kwabo, ukuze ke abatshabalalise, njengoko uYehova wamwiselayo umthetho uMoses.

21Wafika uYoshuwa ngelo xesha, wawanqumla ama-Anaki ezintabeni, eHebron, eDebhiri, eAnabhi, ezintabeni zonke zakwaYuda, ezintabeni zonke zakwaSirayeli; uYoshuwa wawatshabalalisa kunye nemizi yawo.

22Akwasala ma-Anaki ezweni loonyana bakaSirayeli, kuphela kwasala eGaza, naseGati, naseAshode.

23Walithabatha ke uYoshuwa lonke ilizwe, njengako konke awakuthethayo uYehova kuMoses; walinika uYoshuwa lalilifa lamaSirayeli, ngokweentlantlu zawo, ngokwezizwe zawo. Lazola ke ilizwe, akwabakho mfazwe.

UYoshuwa 12

Uluhlu lookumkani aboyiswayo

1Ngabo ke aba ookumkani belizwe, ababulawáyo ngoonyana bakaSirayeli, balihlutha ilizwe labo phesheya kweYordan ngasempumalanga, bethabathela emlanjaneni oyiArnon, besa entabeni yeHermon, neArabha yonke ngasempumalanga:

2nguSihon ukumkani wama-Amori, obehleli eHeshbhon, elawula ethabathela eArohere engasemlanjaneni oyiArnon, naphakathi kwesihlambo, nasesiqingatheni seGiliyadi, wesa emlanjaneni oyiYabhoki, engumda woonyana baka-Amon;

3neArabha, wesa elwandle lwaseKidneroti ngasemumalanga, wesa elwandle lweArabha, uLwandle lweTyuwa ngasempumalanga, ngendlela yeBhete-yeshimoti; nasezantsi, phantsi kwamaxandeka asePisga.

4Bahluthanecala likaOgi ukumkani waseBhashan, owayesele kumaRafa, obehleli eAshtaroti nase-Edreyi,

5elawula entabeni yeHermon naseSaleka, nakwiBhashan yonke, wesa emdeni wamaGeshuri, namaMahakati, nesiqingatha seGiliyadi, umda kaSihon ukumkani waseHeshbhon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6UMoses, umkhonzi kaYehova, noonyana bakaSirayeli bababulala abo. UMoses, umkhonzi kaYehova, walinika lamiwa ngamaRubhen, nangamaGadi, nesiqingatha sesiwe sakwaManase.

7Ngabo aba ookumkani belizwe, awababulaláyo uYoshuwa noonyana bakaSirayeli nganeno kweYordan ngasentshonalanga, ethabathela eBhahali-gadi entilini yeLebhanon, wesa ezintabeni ezimkhuthuka, ezinyukayo ziye kwaSehire; uYoshuwa walinika izizwe zakwaSirayeli,

8zema kulo ngokweentlantlu zazo, ezintabeni, nasezihlanjeni, naseArabha, nasemaxandekeni, nasentlango, nakwelasezantsi: amaHeti, nama-Amori, namaKanan, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi:

9ngukumkani waseYeriko, emnye; ngukumkani waseAyi, engecala leBheteli, emnye;

10ngukumkani waseYerusalem, emnye; ngukumkani waseHebron, emnye;

11ngukumkani waseYarmuti, emnye; ngukumkani waseLakishe, emnye;

12ngukumkani wase-Eglon, emnye; ngukumkani waseGezera, emnye;

13ngukumkani waseDebhiri emnye; ngukumkani waseGedere, emnye;

14ngukumkani waseHorma, emnye; ngukumkani waseArade, emnye;

15ngukumkani waseLibhena, emnye; ngukumkani waseAdulam, emnye;

16ngukumkani waseMakeda, emnye; ngukumkani waseBheteli, emnye;

17ngukumkani waseTapuwa, emnye; ngukumkani waseHefere, emnye;

18ngukumkani waseAfeki, emnye; ngukumkani waseLasharon, emnye;

19ngukumkani waseMadon, emnye; ngukumkani waseHatsore, emnye;

20ngukumkani waseShimron-merom, emnye; ngukumkani waseAkeshafi, emnye;

21ngukumkani waseTahanaki, emnye; ngukumkani waseMegido, emnye;

22ngukumkani waseKedeshe, emnye; ngukumkani waseYokeneham eKarmele, emnye;

23ngukumkani waseDore ezindulini zeDore, emnye; ngukumkani wamaGoyi eGiligali, emnye;

24ngukumkani waseTirtsa, emnye. Bonke ookumkani abo ngamashumi omathathu anamnye.

UYoshuwa 13

Iindawo zomhlaba ezingekoyiswa

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku uYoshuwa wayeseleyinoda enkulu, eselekhulile; wathi uYehova kuye,
Wena useluyindoda enkulu, uselukhulile; ke ilizwe elisaseleyo lokuhluthwa liselininzi
kunene.

2Lilo eli ilizwe elisaseleyo: yonke imimandla yamaFilisti, neyamaGeshuri onke,

3ithabathela eShihore ephambi kweYiputa, ise emdeni wase-Ekron ngasentla
ebalelwa kwakumaKanan; eyezikhulu zozihlanu zamaFilisti: eyabaseGaza,
neyabaseAshdode, neyabaseAshkelon, neyabaseGati, neyabase-Ekron, neyabaseAvi
ngasezantsi;

4lonke ilizwe lamaKanan, nomqolomba ongowamaTsidon, lise eAfeka, lise emdeni
wama-Amori;

5nelizwe lamaGebhali, neLebhanon yonke ngasempumalanga, lithabathela eBhahali-
gadi phantsi kwentaba yeHermon, ude uye eHamati;

6bonke abemi beentaba, kuthabathela eLebhanon kuse eMisrefoti-mayim, onke
amaTsidon; endiya kubagqogqa phambi koonyana bakaSirayeli. Wòthi ke wena
ulabele amaSirayeli ngeqashiso ukuba libe lilifa, njengoko ndakuwiselayo umthetho.

Umhlaba wezizwe ezibini ezinesiqingatha

7Ke ngoko lâbe eli lizwe libe lilifa kwizizwe ezisithoba, nakwisiqingatha sesizwe
sakwaManase,

8esilifa inxenye yaso salizuza kunye namaRubhen namaGadi, awawanikayo uMoses
phesheya kweYordan ngasempumalanga, njengoko abemnikile uMoses umkhonzi
kaYehova:

9lithabathela eArohere, engasemlanjeni oyiArnon, nomzi ophakathi kwesihlambo
eso, nehewu lonke laseMedebha, lise eDibhon;

10nemizi yonke kaSihon ukumkani wama-Amori, obephethe ubukumkani eHeshbhon,
lise emdeni woonyana baka-Amon;

11nelaseGiliyadi, nomda wamaGeshuri, namaMahakati, nentaba yonke yeHermon,
neBhashan yonke kuse eSaleka;

12bonke ubukumkani bukaOgi eBhashan, obephethe ubukumkani eAshtaroti, nase-
Edreyi, ngowayesele kumasalela amaRafa. Wawabetha uMoses wawagqogqa.

13Noko ke oonyana bakaSirayeli abawagqogqanga amaGeshuri, namaMahakati;
ahleli amaGeshuri namaMahakati phakathi kwamaSirayeli unanamhla.

14Sisizwe sakwaLevi sodwa angasinikanga lifa; ukudla kwasemlilweni kukaYehova
uThixo wamaSirayeli lilifa laso, njengoko wathethayo kuso.

15UMoses wasinika ilifa isizwe soonyana bakaRubhen ngokwemizalwane yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Umda wabo wathabathela eArohere, ngasemlanjaneni oyiArnon, nomzi ophakathi kwesihlambo, nehewu lonke elingaseMedebha;

17iHeshbhon nemizi yayo yonke esehewu; iDibhon, neBhamotibhahali,

18neBhete-bhahali-mehon, neYatsa, neKedemoti, neMafahati,

19neKiriyatayim, neSibhema, neTserete-shahare entabeni yentili;

20neBhete-pehore, namaxandeka asePisga, neBhete-yeshimoti, nemizi yonke yehewu,

21nobukumkani bonke bukaSihon ukumkani wama-Amori, obephethe ubukumkani eHeshbhon, owabulawayo nguMoses kunye nezikhulu zakwaMidiyan: ooEvi, noRekem, noTsure, noHure, noRebha, iinkosana zikaSihon ezihleli kwelo zwe.

22NoBhileham unyana kaBhehore, itola, bambulala oonyana bakaSirayeli ngekrele, phakathi kwabahlatyiweyo ngabo.

23Umda woonyana bakaRubhen waba yiYordan nommandla wayo. Lilo elo ilifa loonyana bakaRubhen ngokwemizalwane yabo, imizi yabo nemizana yabo.

24UMoses isizwe sakwaGadi, oonyana bakaGadi, wabanika ilifa ngokwemizalwane yabo.

25Umda wabo waba yiYazere, nemizi yonke yaseGiliyadi, nesiqingatha selizwe loonyana baka-Amon, wesa eArohere, ephambi kweRabha;

26wathabathela eHeshbhon, wesa eRamatimitsepe, neBhetonim; wathabathela eMahanayim, wesa emdeni weLidebhiri; nasentilini:

27iBhete-haram, neBhete-nimra, neSukoti, neTsafon, amasalela obukumkani bukaSihon ukumkani weHeshbhon, iYordan nommandla wayo, wesa ekupheleni kolwandle lwaseKinerete, phesheya kweYordan ngasempumalanga.

28Lilo elo ilifa loonyana bakaGadi ngokwemizalwane yabo, imizi yabo, nemizana yabo.

29UMoses wasinika ilifa isiqingatha sesizwe sakwaManase. Laba lelesiqingatha sesizwe soonyana bakaManase ngokwemizalwane yabo.

30Umda wabo wathabathela eMahanayim: iBhashan yonke, bonke ubukumkani bukaOgi ukumkani waseBhashan, nemizana yonke yakwaYahire eseBhashan, imizi emashumi mathandathu.

31Nesiqingatha saseGiliyadi, neAshtaroti, ne-Edreyi, imizi yobukumkani bukaOgi eBhashan, yaba yeyoonyana bakaMakire, unyana kaManase, isiqingatha soonyana bakaMakire ngokwemizalwane yabo.

32Ngawo lawo amafa awawabayo uMoses ezinkqantosini zakwaMowabhi phesheya kweYordan, malunga neYeriko ngasempumalanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Ke isizwe sakwaLevi uMoses akasinikanga lifa. NguYehova uThixo kaSirayeli ilifa laso, njengoko wathethayo kuso.

UYoshuwa 14

Ilifa lezizwe ezilithoba elinesiqingatha labiwa ngeqashiso

1Ngawo ke la amafa abawabelwayo oonyana bakaSirayeli ezweni lakwaKanan, abawabelwa nguElazare umbingeleli, noYoshuwa unyana kaNun, neentloko zezindlu zooyise zezizwe zoonyana bakaSirayeli,

2ngeqashiso lelifa labo, njengoko uYehova wawisa umthetho ngesandla sikaMoses, elezizwe ezisithoba ezinesiqingatha sesizwe.

3Kuba uMoses ebezinikile ilifa izizwe ezibini nesiqingatha sesizwe, phesheya kweYordan; ke abaLevi akabanikanga lifa phakathi kwazo.

4Ngokuba oonyana bakaYosefu babezizizwe ezibini, uManase noEfrayim; ke abaLevi ababanikanga sabelo ezweni elo, babanika kuphela imizi yokuhlala, namadlelo ayo emfuyo yabo nempahla yabo.

5Njengoko uYehova wamwiselayo uMoses umthetho, benjenjalo oonyana bakaSirayeli, balaba ilizwe.

UKalebhi unikwa iHebron

6Basondela oonyana bakaYuda kuYoshuwa eGiligali. Wathi uKalebhi unyana kaYefune, umKenazi, kuye, Ùyalazi wena ilizwi awalithethayo uYehova kuMoses umntu kaThixo, ngenxa yam nangenxa yakho, eKadeshe-bharneha.

7Ndandiminyaka imashumi mané ndizelwe, ekususweni kwam nguMoses umkhonzi kaYehova, eKadeshe-bharneha, ukuba ndiye kulihlola ilizwe; ndambuyisela ilizwi njengoko bekusentliziyweni yam.

8Abazalwana bam, abanyukáyo nam, bayinyibilikisa intliziyo yabantu; ke mna ndakuzalisa ukumlandela uYehova uThixo wam.

9Wafunga ke uMoses ngaloo mini, esithi, Inene, ilizwe elinyathelwe lunyawo lwakho loba lilifa lakho, neloonyana bakho, kude kuse ephakadeni, ngokuba ukuzalisile ukumlandela uYehova uThixo wam.

10Khangela ke ngoko, uYehova undisindisile njengoko watshoyo, le minyaka imashumi mané anamihlanu, kususela koko walithethayo uYehova elo lizwi kuMoses, oko amaSirayeli abehamba entlango; yabona ke, ngoku namhla ndiminyaka imashumi asibhozo anamihlanu ndizelwe.

11Ndisomelele nanamhla, kwanjengamini wandithumayo uMoses; njengoko ayenjalo amandla am oko, asenjalo nangoku amandla am okulwa, kwaawokuphuma nawokubuya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ke ngoko ndinike ezo ntaba wathetha zona uYehova ngaloo mini; ngokuba weva
wena ngaloo mini ukuba ama-Anaki akhona, imizi yawo mikhulu, inqatyisiwe.
Mhlawumbi uYehova woba nam, ndiwagqogqe ke, njengoko watshoyo uYehova.

13UYoshuwa wamsikelela, wamnika iHebron uKalebhi unyana kaYefune, ukuba ibe
lilifa.

14Ngenxa yoko iHebron yaba lilifa likaKalebhi unyana kaYefune, umKenazi,
unanamhla; ngenxa enokuba wazalisayo ukumlandela uYehova, uThixo kaSirayeli.

15Igama laseHebron ngenxa engaphambili laliyi-Kiriyati ka-Arbha, umntu omkhulu
phakathi kwama-Anaki ke. Lazola ilizwe akwabakho mfazwe.

UYoshuwa 15

Iqashiso likaYuda

1Ke kaloku iqashiso lesizwe soonyana bakaYuda, ngokwemizalwane yabo, lasinga
emdeni wakwaEdom, entlango yeTsin ngasezantsi, ekupheleni komzantsi.

2Umda wabo wasezantsi wathabathela ekupheleni koLwandle lweTyuwa, encamini
ebheka ezantsi.

3Waphuma, wasinga ngezantsi ekunyukeni kweAkrabhim, wegqitha waya eTsin,
wenyuka waya ngasezantsi kweKadeshebharneha, wegqitha waya eHetseron,
wenyuka waya eAdare, wajika waya eKarka;

4wegqitha waya eAtsemon, wema ngomlanjana waseYiputa, ukuma komda wema
ngolwandle. Nguwo lowo umda wenu wangasezantsi.

5Umda wasempumalanga luLwandle lweTyuwa, use ekupheleni kweYordan. Umda
wecala langasentla wathabathela encamini yolwandle, ekupheleni kweYordan;

6wenyuka umda waya eBhete-hogela, wegqitha waya emantla eBhete-arabha, wajika
umda waya etyeni likaBhohan unyana kaRubhen.

7Wenyuka umda waya eDebhiri, uvela entilini yeAkore, wabheka entla eGiligali,
malunga nokunyuka kweAdumin ngasezantsi komlanjana; wegqitha apho waya
emanzini ase-En-shemeshe, ukuma kwawo wema nge-En-rogele.

8Wenyuka umda ngomfula woonyana bakaHinom, waya egxalabeni lowamaYebhusi
ngasezantsi: yiYerusalem ke leyo; wenyuka umda waya encotsheni yentaba ephambi
komfula wakwaHinom, ngasentshonalanga, osekupheleni kwentili yamaRafa
ngasentla.

9Wahlaba umda, wathabathela encotsheni yentaba, waya emthonjeni wamanzi
aseNefetowa, waphuma waya emizini yasentabeni kaEfron, wahlaba waya eBhahala:
yiKiriyati-yeharim ke leyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

10Wajika umda eBhahala ngasentshonalanga, waya entabeni yakwaSehire, wegqitha
waya egxalabeni leHar-yeharim ngasentla: yiKesalon ke leyo; wehla waya
eBheteshemeshe, wegqitha waya eTimna.

11Waphuma umda waya egxalabeni le-Ekron ngasentla, wahlaba umda waya
eShikron, wegqitha waya entabeni yeBhahala, wema ngeYabheneli umda waya
wema ngolwandle.

12Umda wasentshonalanga lulwandle olukhulu nommandla walo. Nguwo lowo umda
woonyana bakaYuda ngeenxa zonke, ngokwemizalwane yabo.

13UKalebhi unyana kaYefune wamnika isabelo phakathi koonyana bakaYuda,
ngokutsho kukaYehova kuYoshuwa: umzi ka-Arbha uyise ka-Anaki ngowaseHebron
ke lowo,

14Wabagqogqa apho uKalebhi oonyana bobathathu baka-Anaki, uSheshayi
noAhiman noTalemayi, inzalo ka-Anaki.

15Wenyuka khona waya kubemi baseDebhiri; igama leDebhiri laliyiKiriyati-sefere
ngenxa engaphambili.

16Wathi uKalebhi, Othe wayibulala iKiriyati-sefere, wayithimba, ndomnika intombi
yam, uAkesa, ibe ngumkakhe.

17Wayithimba uOteniyeli unyana kaKenazi, umzalwana kaKalebhi; wamnika ke
intombi yakhe, uAkesa, yangumkakhe.

18Kwathi ekuzeni kwayo, yamvuselela ukuba acele umhlaba kuyise wayo; yehla e-
esileni layo. Wathi uKalebhi kuyo, Yintoni na?

19Yathi, Ndinike into, ngokuba undiniké umhlaba ongenamanzi; ndinike nemithombo
yamanzi. Wayinika ke imithombo yasentla, nemithombo yasezantsi.

20Lilo elo ilifa lesizwe soonyana bakaYuda ngokwemizalwane yabo.

21Imizi ethabathele ekupheleni kwesizwe soonyana bakaYuda, yesa emdeni
wakwaEdom ezantsi, yabe iyiKabhetseli, ne-Edere, neYagure,

22nKina, neDimona, neAdada,

23neKedeshe, neHatsore, neItenan,

24iZifi, neTelem, neBhehaloti,

25neHatsore-hadata, neKeriyoti-hetseron (yiHatsore ke leyo);

26iAmam, neShema, neMolada,

27neHatsare-gada, neHeshmon, neBhete-palete,

28neHatsrae-shuwale, neBher-shebha, neBhiziyoteya;

© 1975 Bible Society of South Africa.

29iBhahala, neIyim, ne-Etsem,

30ne-Elitoladi, neKezili, neHorma,

31neTsikelage, neMademana, neSanesana,

32neLebhawoti, neShilehim, neAyin, neRimon: yonke loo mizi imashumi mabini anesithoba nemizana yayo.

33Esihlanjeni: yiEshtawoli, neTsora,

34neAshna, neZanowa, ne-En-ganim, iTapuwa,

35ne-Enam; iYarmuti, neAdulam,

36iSoko, neAzeka, neShaharim, neAditayim, neGedera, neGederotayim: imizi elishumi elinaminé inemizana yayo.

37ITsenan, neHadasha, neMigedali yakwaGadi,

38neDilan, neMizpa, neYoketeli;

39iLakishe, neBhotsekati, ne-Eglon,

40neKabhon, neLamasi, neKitilishe,

41neGederoti, iBhete-dagon, neNahama, neMakeda: imizi elishumi elinamithandathu inemizana yayo.

42ILibhena, ne-Etere neAshan,

43neIfeta, neAshna, neNetsibhi,

44neKehila, neAkezibhi, neMaresha: imizi esithoba inemizana yayo.

45IEkron, namagxamesi ayo, nemizana yayo;

46kwathabathela e-Ekron ngasentshonalanga, yonke esecaleni leAshdode, nemizana yayo.

47IAshdode, namagxamesi ayo, nemizana yayo; iGaza namagxamesi ayo, nemizana yayo, kwesa kumlanjana weYiputa, nolwandle olukhulu, nommandla walo.

48Esezintabeni: yiShamire, neYatire, neSoko,

49neDana, neKiriyati-sana (yiDebhiri ke leyo);

50neAnabhi, ne-Eshtemo,

51neAnim, neGoshen, neHolon, neGilo: imizi elishumi elinamnye, inemizana yayo.

52IArabhi, neDuma, ne-Eshan,

53neYanim, neBhete-tapuwa, neAfeka,

© 1975 Bible Society of South Africa.

54neHumta, neKiriyati ka-Arbha (yiHebron ke leyo); neTsihore: imizi esithoba inemizana yayo.

55IMahon, iKarmele, neZifi, neYuta,

56neYizereli, neYokedam, neZanowa;

57iKayin, iGibheha, neTimna: imizi elishumi inemizana yayo.

58IHalehule, iBhete-tsure, neGedore,

59neMaharati, neBhete-anoti, ne-Elitekon: imizi emithandathu inemizana yayo.

60IKiriyati-bhahali (yiKiriyati-yeharim ke leyo) neRabha: imizi emibini inemizana yayo.

61Esentlango yiBhete-arabha, iMidin, neSekaka,

62neNibheshan, noMzi weTyuwa, ne-Engedi: imizi emithandathu inemizana yayo.

63Ke amaYebhusi, abengabemi baseYerusalem, ababanga nako ukuwagqogqa oonyana bakaYuda; ahlala amaYebhusi noonyana bakaYuda eYerusalem nanamhla.

UYoshuwa 16

Iqashiso loonyana bakaYosefu: elikaEfrayim

1Laphuma iqashiso noonyana bakaYosefu, lathabathela eYordan malunga neYeriko ngasemanzini aseYeriko ngasempumalanga, kwintlango enyuka eYeriko, eya ezintabeni ngaseBheteli.

2Waphuma umda eBheteli, wasinga eLuzi, wegqitha waya emdeni wama-Arki eAtaroti; wehla waya entshonalanga emdeni wamaYafeleti,

3wesa emdeni weBhete-horon yasezantsi, wesa eGezere; ukuma kwawo waya wema ngolwandle.

4Balabelwa ke ilifa labo oonyana bakaYosefu, uManase noEfrayim.

5Umda woonyana bakaEfrayim wenjenje: umda welifa labo ngasempumalanga wayiAtaroti-adare, wesa eBhetehoron engasentla;

6waphuma umda waya elwandle, eMikemetati ngasentla; wajika umda waya empumalanga eTahanati-shilo, wegqitha khona ngasempumalanga eYanowa;

7wehla eYanowa waya eAtaroti, naseNaharati, weza eYeriko, wema ngeYordan;

8umda wesuka eTapuwa waya entshonalanga, eMlanjaneni weeNgcongolo; nokuma kwawo waya wema ngolwandle. Lilo elo ilifa lesizwe soonyana bakaEfrayim ngokwemizalwane yabo;

9nemizi leyo yahlulelwa oonyana bakaEfrayim yayiphakathi kwelifa loonyana bakaManase; yonke imizi yayinemizana yayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Abawagqogqanga amaKanan abemi eGezere. Ema amaKanan phakathi kwamaEfrayim unanamhla, akhonza efakwa uviko.

UYoshuwa 17

Iqashiso likaManase

1Saba neqashiso naso isizwe sakwaManase; ngokuba ngowamazibulo kuYosefu. Laba noMakire, owamazibulo kuManase, laba noyise kaGiliyadi; laba naye elaseGiliyadi nelaseBhashan, kuba ebeyindoda yokulwa;

2laba nabanye oonyana bakaManase ngokwemizalwane yabo; laba noonyana baka-Abhihezere, noonyana bakaHeleki, noonyana baka-Aseriyeli, noonyana bakaShekem, noonyana bakaHefere, noonyana bakaShemida; ngabo abo abantwana abangamadoda bakaManase, unyana kaYosefu, ngokwemizalwane yabo.

3Ke uTselofehade, unyana kaHefere, unyana kaGiliyadi, unyana kaMakire, unyana kaManase, ebengenanyana; ebeneentombi zodwa. Ngawo la amagama eentombi zakhe: uMala, noNoha, noHogela, noMilka, noTirtsa.

4Zasondela phambi koElazare umbingeleli, naphambi koYoshuwa unyana kaNun, naphambi kwezikhulu, zathi, UYehova wamwisela umthetho uMoses, ukuba asinike ilifa phakathi kwabazalwana bethu. Wazinika ke ngokomlomo kaYehova ilifa phakathi kwabazalwana bakayise.

5Zaba lishumi ke izabelo kuManase, ngaphandle kwelizwe laseGiliyadi, neBhashan ephesheya kweYordan;

6ngokuba iintombi zikaManase zabelwa ilifa phakathi koonyana bakhe; lathi nelizwe laseGiliyadi laba lelabanye oonyana bakaManase.

7Umda kaManase wathabathela kwa-Ashere, waya eMikemetati ephambi kowakwaShekem; wahamba umda ngasekunene, waya kubemi base-En-tapuwa.

8UManase waba nelizwe laseTapuwa; ke iTapuwa, ngasemdeni wakwaManase, yaba yeyonyana bakaEfrayim.

9Wehla umda waya eMlanjaneni weeNgcongolo, ezantsi komlanjana. Le mizi ilunge kuEfrayim yaba phakathi kwemizi kaManase: nommandla wakwaManase wawungasentla komlanjana; ukuma kwawo waya wema ngolwandle.

10Ngasezantsi laba lelikaEfrayim, ngasentla laba lelikaManase; ulwandle lwaba ngumda wakhe. Baqubisana noAshere ngasentla, baqubisana noIsakare ngasempumalanga.

11KwaIsakare nakwa-Ashere uManase waba neBhete-shehan namagxamesi ayo, neIbleyam namagxamesi ayo, nabemi baseDore namagxamesi ayo, nabemi base-Endore namagxamesi ayo, nabemi baseTahanaki namagxamesi ayo, nabemi baseMegido namagxamesi ayo, ummandla onduli zintathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Babengenako oonyana bakaManase akuyihlutha loo mizi; amaKanan akuphikela ukuma kwelo zwe.

13Kwathi, bakomelela oonyana bakaSirayeli, bawafaka uviko amaKanan, àbawagqogqa kuphele.

14Bathetha oonyana bakaYosefu noYoshuwa, besithi, Yini na ukuba usinike ilifa laqashiso linye, nasabelo sinye, singabantu abaninzi nje, esisikelele nje uYehova kangakanana unangoku?

15Wathi uYoshuwa kubo, Ukuba ningabantu abaninzi, nyukani niye emahlathini, nizihlahlele ezweni lamaPerizi nelamaRafa, xa kuxineneyo kuni ezintabeni zakwaEfrayim.

16Bathi oonyana bakaYosefu, Ilizwe eli leentaba alisilingene; ke ziinqwelo zesinyithi kumaKanan onke amiyo ezweni lamathafa aseBheteshehan namagxamesi ayo, kwanasemathafeni aseYizereli.

17Wathi uYoshuwa kwindlu kaYosefu, kuEfrayim nakuManase, Ningabantu abaninzi, ninamandla amakhulu; aliyi kuba linye iqashiso lenu;

18kuba eleentaba liya kuba lelenu, ngokuba lingamahlathi. Nòwahlahla, iinyele zawo zibe zezenu; kuba niya kuwagqogqa amaKanan, nakuba eneenqwelo zesinyithi, nakuba omelele.

UYoshuwa 18

Ukwabiwa kwentsalela yomhlaba

1Labizelwa ndawonye lonke ibandla lakwaSirayeli eShilo; bayimisa khona intente yokuhlangana. Leyiseka ilizwe phambi kwabo.

2Kwasala phakathi koonyana bakaSirayeli izizwe ezisixhenxe, ezingabelwanga lifa lazo.

3Wathi uYoshuwa koonyana bakaSirayeli, Koda kube nini na nikunqena ukuya kulihlutha elo zwe aninike lona uYehova uThixo wooyihlo?

4Khuphani amadoda abe mathathu esizweni ngesizwe, ndiwathume, asuke acande ezweni, alibhale ngokwamafa azo, aze abuyele kum,

5alabe libe zizabelo ezisixhenxe; uYuda eme emdeni wakhe ngasezantsi, indlu kaYosefu ime emdeni wayo ngasentla.

6Nina ke nilibhale ilizwe lezabelo ezo zisixhenxe, niyizise ingxelo kum apha, ndiniwisele amaqashiso phambi koYehova uThixo wethu apha.

7Kuba abaLevi àbanasabelo phakathi kwenu, kuba ilifa labo bububingeleli bukaYehova; ke uGadi noRubhen nesiqingatha sesizwe sikaManase

© 1975 Bible Society of South Africa.

basebelithabathile ilifa labo awabanika lona uMoses, umkhonzi kaYehova, phesheya kweYordan ngasempumalanga.

8Asuka ke amadoda lawo ahamba. UYoshuwa wabawisela umthetho abo bahambáyo beya kulibhala ilizwe, esithi, Yiyani, nilihambe ilizwe, nilibhale, nize nibuyele kum, ndiniwisele amaqashiso phambi koYehova eShilo apha.

9Aya ke amadoda lawo, acanda ezweni apho, alibhala ngokwemizi, ngokwezabelo ezisixhenxe encwadini; eza ke kuYoshuwa eminqubeni eShilo.

10Waza uYoshuwa wawawisela amaqashiso eShilo phambi koYehova; uYoshuwa wababela ilizwe oonyana bakaSirayeli khona ngokweentlantlu zabo.

Iqashiso lakwaBhenjamin

11Kwavela iqashiso lesizwe soonyana bakaBhenjamin ngokwemizalwane yabo; umda weqashiso labo waphuma phakathi koonyana bakaYuda noonyana bakaYosefu.

12Umda wabo ngasecaleni lasentla wathabathela eYordan, wenyuka waya egxalabeni laseYeriko ngasentla, wenyuka waya ezintabeni ngasentshonalanga; ukuma kwawo, waya wema ngentlango yaseBhetaven;

13wegqitha umda khona, waya eLuzi, egxalabeni leLuzi ngasezantsi (yiBheteli ke leyo); wehla umda waya eAtaroti-adare, ngasezintabeni ezingasezantsi kweBhete-horon yasezantsi.

14Wahlaba umda, wajika waya ecaleni lasentshonalanga ngasezantsi, usuka entabeni ephambi kweBhete-horon ngasezantsi; ukuma kwawo, waya wema ngeKiriyati-bhahali (yiKiriyatiyeharim ke leyo), umzi woonyana bakaYuda. Lilo elo icala lasentshonalanga.

15Icala lasezantsi lathabathela ekupheleni kweKiriyati-yeharim; waphuma umda entshonalanga, waphuma waya emthonjeni wamanzi aseNefetowa.

16Wehla umda waya ekupheleni kwentaba ephambi komfula woonyana kaHinom, osentilini yamaRafa ngasentla; wehla ngomfula wakwaHinom, waya egxalabeni lamaYebhusi ngasezantsi, wehla waya e-En-rogele;

17wahlaba uvela entla, waphuma waya e-En-shemeshe, waphuma waya eGeliloti, emalunga nokunyuka kweAdumim; wehla waya etyeni likaBhohan, unyana kaRubhen;

18wegqitha waya egxalabeni elimalunga neArabha entla, wehla waya eArabha;

19wegqitha umda waya egxalabeni laseBhete-hogela entla; ukuma komda, waya wema ngechweba loLwandle lweTyuwa, ekupheleni kweYordan ngasezantsi; nguwo lowo umda wasezantsi.

20IYordan ibe ingumda walo ngecala lasempumalanga. Lilo elo ilifa loonyana bakaBhenjamin ngokwemida yalo ngeenxa zonke, ngokwemizalwane yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ke imizi yesizwe soonyana bakaBhenjamin, ngokwemizalwane yabo, ibe iyiYeriko,
neBhete-hogela, nentili yaseKetsitse,

22neBhete-arabha, neTsemarayim,

23neBheteli, neAvim, nePara, neOfra,

24neKefar-amoni, neOfeni, neGabha: imizi elishumi elinamibini inemizana yayo;

25iGibheyon, neRama, neBheheroti,

26neMizpa, neKefira, neMotsa,

27neRekem, neIrpeli, neTarala,

28neTsela, ne-Elefe, nowamaYebhusi (yiYerusalem ke leyo); neGibheha, neKiriyati:
imizi elishumi elinamibini inemizana yayo. Lilo ke elo ilifa loonyana bakaBhenjamin
ngokwemizalwane yabo.

UYoshuwa 19

Amaqashiso ezinye izizwe

1Lavela iqashiso lesibini noSimon, nesizwe soonyana bakaSimon, ngokwemizalwane
yabo. Ilifa labo laba phakathi kwelifa loonyana bakaYuda.

2Elifeni labo baba neBher-sheba, neShebha, neMulada,

3neHatsere-shuwali, neBhala, neAtsem,

4ne-Eletoladi, neBhetuli, neHorma,

5neTsikelage, neBhetemarkabhoti, neHatsar-susa,

6neBhetelebhawoti, neSharuhen: imizi elishumi elinamithathu inemizana yayo;

7iAyin, neRimon, ne-Etere, neAshan; imizi eminé inemizana yayo,

8nemizana yonke ejikeleze loo mizi, kwesa eBhahalatibhere (yiRama yelasezantsi ke
leyo). Lilo elo ilifa lesizwe soonyana bakaSimon ngokwemizalwane yabo.

9Laba sesabelweni soonyana bakaYuda ilifa loonyana bakaSimon; ngokuba isabelo
soonyana bakaYuda sabagqitha. Oonyana bakaSimon babelwa ilifa phakathi kwelifa
labo.

10Lavela iqashiso lesithathu noonyana bakaZebhulon, ngokwemizalwane yabo.

11Umda welifa labo wesa eSaridi, wenyuka umda wabo wasinga entshonalanga, wesa
eMarala, wafikelela eDabhesheti, wahlangana nomlanjana okhangelene
neYokeneham;

12wabuya eSaridi, wasinga empumalanga ngecala eliphuma ilanga, waya emdeni
weKiseloti-tabhore, waphuma waya eDabherati, wenyuka waya eYafiya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wegqitha khona, wasinga empumalanga ngecala eliphuma ilanga, waya eGati-hefere, e-Eti-katsin; waphuma waya eRimon, ehlaba iye eNeha.

14Umda wayizunguleza ngasentla, waya eHanaton; ukuma kwawo, wema ngomfula waseIfeta-eli;

15neKatati, neNahalali, neShimron, neIdala, neBhetelehem: imizi elishumi elinamibini inemizana yayo.

16Lilo elo ilifa loonyana bakaZebhulon ngokwemizalwane yabo, loo mizi nemizana yayo.

17Iqashiso lesiné lavela noIsakare, noonyana bakaIsakare ngokwemizalwane yabo.

18Umda wabo wasinga kwiYizereli,

19neKesuloti, neShunem, neHafarayim,

20neShihon, neAnaharati, neRabhiti,

21neKishiyon, neAbhetse, neRemeti, ne-En-ganim, ne-En-hada, neBhete-patsetse.

22Umda wafikelela eTabhore, naseShahatsima, naseBhete-shemeshe, ukuma komda wabo, waya wema ngeYordan imizi elishumi elinamithandathu enimizana yayo.

23Lilo elo ilifa lesizwe soonyana bakaIsakare ngokwemizalwane yabo, loo mizi nemizana yayo.

24Lavela iqashiso lesihlanu nesizwe soonyana baka-Ashere ngokwemizalwane yabo.

25Umda wabo waba yiHelekati, neHali, neBheten, neAkeshafi,

26neAlameleki, neAmadi, neMishali; wafikelela eKarmele ngasentshonalanga, neShihore-libhenati.

27Wabuya, wasinga ngecala eliphuma ilanga eBhete-dagon, wafikelela kwelakwaZebhulon, nakumfula waseIfeta-eli, ngasentla kweBhete-emeki, neNehiyeli; waphuma waya eKabhuli ngasekhohlo;

28neHebron, neRehobhi, neHamon, neKana, wesa eTsidon enkulu.

29Wabuya umda waya eRama, wesa emzini onqatyisiweyo oyiTire, wabuya umda waya eHosa; ukuma kwawo, waya wema ngolwandle, ngasesabelweni sika-Akezibhe;

30neUma, neAfeki, neRehobhi: imizi emashumi mabini anamibini inemizana yayo.

31Lilo elo ilifa loonyana baka-Ashere ngokwemizalwane yabo, loo mizi nemizana yayo.

32Lavela iqashiso lesithandathu noonyana bakaNafetali, ileloonyana bakaNafetali ngokwemizalwane yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Umda wabo wathabathela eHelefe, eMiokini yaseTsahanayim, neAdami-nekebhe,
neYabheneli, wesa eLakum; nokuma kwawo, wema ngeYordan;

34wabuya umda, wasinga entshonalanga eAzenotitabhore, waphuma khona waya
eHukoki, wafikelela kwelakwaZebhulon ngasezantsi, wafikelela kwelakwa-Ashere
ngasentshonalanga, nelakwaYuda eYordan ngasempumalanga.

35Imizi enqatyisiweyo yaba yiTsidim, neTsere, neHamati, neRakati, neKinerete,

36neAdama, neRama, neHatsore,

37neKedeshe, ne-Edreyi, ne-En-hatsore,

38neIron, neMigdali-eli, neHorem, neBhete-anati, neBhete-shemeshe: imizi elishumi
elinesithoba inemizana yayo.

39Lilo elo ilifa lesizwe soonyana bakaNafetali, ngokwemizalwane yabo, loo mizi
nemizana yayo.

40Lavela iqashiso lesixhenxe nesizwe soonyana bakaDan ngokwemizalwane yabo.

41Umda welifa labo waba yiTsora, ne-Eshtawoli, neIre-shemeshe,

42neShahalabhin, neAyalon, neItela,

43ne-Elon, neTimnata, ne-Ekron,

44ne-Eleteke, neGibheton, neBhahalata,

45neYehudi, neBhene-bheraki, neGati-rimon,

46neMeyarkon, neRakon, kunye nomda omalunga neYafo.

47Umda woonyana bakaDan wema ngayo. Benyuka ke oonyana bakaDan, baya kulwa
neLeshem, bayithimba, bayibulala ngohlangothi lwekrele, bayihlutha, bema kuyo,
bathi ukuyibiza iLeshem kukwaDan, ngegama likaDan uyise.

48Lilo elo ilifa lesizwe soonyana bakaDan ngokwemizalwane yabo, loo mizi inemizana
yayo.

49Bagqiba ke ukulaba ilizwe ngokwemida yabo. Oonyana bakaSirayeli bamnika
uYoshuwa, unyana kaNun, ilifa phakathi kwabo.

50Ngokomlomo kaYehova bamnika umzi awawubizayo, iTimnati-sera, ekweleentaba
lakwaEfrayim. Wawakha loo mzi, wahlala kuwo.

51Ngawo lawo amafa abawabáyo ooElazare umbingeleli, noYoshuwa unyana kaNun,
neentloko zezindlu zooyise ezizweni zoonyana bakaSirayeli, ngamaqashiso eShilo,
phambi koYehova, emnyango wentente yokuhlangana. Bagqiba ke ukulaba ilizwe.

UYoshuwa 20

Ukumiswa kwemizi emithandathu yokusabela

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]Wathetha uYehova kuYoshuwa, esithi,

[2]Thetha koonyana bakaSirayeli, uthi, Zimiseleni imizi yokusabela, endathetha ngayo kuni ngoMoses;

[3]ukuba abalekele kuyo umbulali obulele umntu ngengozi engazi, ibe ziindawo zenu enobalekela kuzo ukusaba umphindezeleli wegazi;

[4]abalekele komnye waloo mizi, eme ekungeneni kwesango lomzi, awathethe ezindlebeni zamadoda amakhulu aloo mzi amazwi akhe; amamkelele kuloo mzi, abe kuwo, amnike indawo, ukuba ahlale nawo.

[5]Othi, xenikweni umphindezeleli wegazi amsukelayo, angamnikeli umbulali esandleni sakhe, ngokuba wambulala ummelwane wakhe engazi, ebengamthiyile ngaphambili.

[6]Wóhlala kuloo mzi ade eme phambi kwebandla, lithethwe ityala lakhe, ade afe umbingeleli omkhulu oya kubakho ngezo mini, andule umbulali ukubuyela emzini wakowabo, nasendlwini yakhe, emzini abebaleke ekuwo.

[7]Bangcwalisa ke iKedeshe eGalili, ekweleentaba lakwaNafetali; nelakwaShekem kweleentaba lakwaEfrayim; neKiriyati ka-Arbha, ngowaseHebron ke lowo, kweleentaba lakwaYuda.

[8]Naphesheya kweYordan, malunga neYeriko ngasempumalanga, bamisa iBhetsere entlango, ethafeni, esizweni sakwaRubhen; neRamoti kwelaseGiliyadi, esizweni sakwaGadi; neGolan eBhashan, esizweni sakwaManase.

[9]Yiyo leyo imizi eyamiselwa bonke oonyana bakaSirayeli, nowasemzini ophambukele phakathi kwabo, ukuba babalekele kuyo bonke abantu ababulele umntu ngengozi, ukuba bangafi sisandla somphindezeleli wegazi, bade beme phambi kwebandla.

UYoshuwa 21

Imizi emashumi mané anesibhozo inikelwa abaLevi

[1]Zasondela iintloko zezindlu zooyise zakwaLevi kuElazare umbingeleli, nakuYoshuwa unyana kaNun, nakwiintloko zezindlu zooyise zezizwe zoonyana bakaSirayeli;

[2]zathetha kubo eShilo ezweni lakwaKanan, zisithi, UYehova wawisa umthetho ngesandla sikaMoses, ukuba sinikwe imizi yokuhlala, namadlelo ayo eenkomo zethu.

[3]Oonyana bakaSirayeli babanika abaLevi elifeni labo, ngokomlomo kaYehova, le mizi namadlelo ayo.

[4]Laphuma iqashiso nemizalwane yamaKehati; yaba yeyoonyana baka-Aron umbingeleli abangabaLevi, esizweni sakwaYuda, nasesizweni sakwaSimon, nasesizweni sakwaBhenjamin, imizi elishumi elinamithathu ngeqashiso elo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Abanye oonyana bakaKehati bafumana ngeqashiso imizi elishumi emizalwaneni yesizwe sakwaEfrayim, nasesizweni sakwaDan, nasesiqingatheni sesizwe sakwaManase.

6Oonyana bakaGershon bafumana ngeqashiso imizi elishumi elinamithathu emizalwaneni yesizwe sakwaIsakare, nasesizweni sakwa-Ashere, nasesizweni sakwaNafetali, nasesiqingatheni sesizwe sakwaManase eBhashan.

7Oonyana bakaMerari, ngokwemizalwane yabo, bafumana imizi elishumi elinamibini esizweni sakwaRubhen, nasesizweni sakwaGadi, nasesizweni sakwaZebhulon.

8Oonyana bakaSirayeli babanika abaLevi ngeqashiso loo mizi namadlelo ayo, njengoko uYehova wawisayo umthetho ngesandla sikaMoses.

9Babanika esizweni soonyana bakaYuda, nasesizweni soonyana bakaSimon, yona le mizi ibizwa ngegama layo;

10yaba yeyoonyana baka-Aron emizalwaneni yamaKehati, koonyana bakaLevi; ngokuba laba lelabo iqashiso lokuqala.

11Babanika umzi ka-Arbha, uyise ka-Anaki (ngowaseHebron ke lowo), ezintabeni zakwaYuda, namadlelo ayo ngeenxa zonke.

12Ke amasimi aloo mzi, nemizana yawo, bawanika uKalebhi unyana kaYefune ukuba abe ngawakhe.

13Oonyana baka-Aron umbingeleli babanika owaseHebron nedlelo lawo, umzi ke wokusabela umbulali, neLibhena nedlelo layo,

14neYatire nedlelo layo, ne-Eshtemowa nedlelo layo,

15neHolon nedlelo layo, neDebhiri nedlelo layo,

16neAyin nedlelo layo, neYuta nedlelo layo, neBhete-shemeshe nedlelo layo: imizi esithoba kwezo zizwe zibini.

17Nasesizweni sakwaBhenjamin: iGibheyon nedlelo layo, neGebha nedlelo layo,

18neAnatoti nedlelo layo, neAlemon nedlelo layo: imizi eminé.

19Iyonke imizi yoonyana baka-Aron, ababingeleli, yaba yimizi elishumi elinamithathu inamadlelo ayo.

20Imizalwane yoonyana bakaKehati, yabaLevi abaseleyo koonyana bakaKehati, yafumana imizi yeqashiso layo esizweni sakwaEfrayim.

21Babanika owakwaShekem nedlelo lawo, okweleentaba lakwaEfrayim, umzi ke wokusabela umbulali, neGezere nedlelo layo,

22neKibhetsayim nedlelo layo, neBhete-horon nedlelo layo: imizi eminé.

23Esizweni sakwaDan, iEleteke nedlelo layo, neGibheton nedlelo layo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

24neAyalon nedlelo layo, neGati-rimon nedlelo layo: imizi eminé.

25Esiqingatheni sesizwe sakwaManase, iTahanaki nedlelo layo, neGati-rimon nedlelo layo: imizi emibini.

26Iyonke imizi yaba lishumi namadlelo ayo, ngokwemizalwane yoonyana bakaKehati abaseleyo.

27Babanika oonyana bakaGershon emizalwaneni yabaLevi, esiqingatheni sesizwe sakwaManase, iGolan eBhashan nedlelo layo, umzi ke wokusabela umbulali, neBheheshtera nedlelo layo: imizi emibini.

28Esizweni sakwaIsakare, iKishon nedlelo layo, neDabherati nedlelo layo,

29neYarmuti nedlelo layo, ne-En-ganim nedlelo layo: imizi eminé.

30Esizweni sakwa-Ashere, iMishali nedlelo layo, neAbhedon nedlelo layo;

31neHelekati nedlelo layo, neRehobhi nedlelo layo: imizi eminé.

32Esizweni sakwaNafetali, iKedeshe kwelaseGalili nedlelo layo, umzi ke wokusabela umbulali; iHamoti-dore nedlelo layo, iKartan nedlelo layo: imizi emithathu.

33Iyonke imizi yamaGershon, ngokwemizalwane yakhe, yaba yimizi elishumi elinamithathu inamadlelo ayo.

34Bayinika imizalwane yoonyana bakaMerari, yabaLevi abaseleyo, esizweni sakwaZebhulon, iYokeneham nedlelo layo, neKarta nedlelo layo,

35neDimna nedlelo layo, neNahalali nedlelo layo: imizi eminé.

36Esizweni sakwaRubhen, iBhetsere nedlelo layo, neYahatsa nedlelo layo,

37neKedemoti nedlelo layo, neMefahati nedlelo layo: imizi eminé.

38Esizweni sakwaGadi, iRamoti kwelaseGiliyadi nedlelo layo, umzi ke wokusabela umbulali; neMahanayim nedlelo layo,

39neHeshbhon nedlelo layo, neYazere nedlelo layo: iyonke loo mizi miné.

40Iyonke imizi yoonyana bakaMerari ngokwemizalwane yabo eseleyo, emizalwaneni yabaLevi, iqashiso labo laba yimizi elishumi elinamibini.

41Iyonke imizi yabaLevi phakathi kwelifa loonyana bakaSirayeli yaba yimizi engamashumi mané anesibhozo, inamadlelo ayo.

42Yonke loo mizi ngaminye yaba nedlelo layo ngeenxa zonke; kwaba njalo kuloo mizi yonke.

43UYehova wawanika ke amaSirayeli lonke ilizwe abelifungele ooyise ukuba wobanika; alihlutha ahlala kulo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

44UYehova wawaphumza ngeenxa zonke, njengako konke awabafungelayo ooyise;
akwabakho mntu ezintshabeni zawo zonke umayo phambi kwawo. Zonke iintshaba
zawo uYehova wazinikela esandleni sawo.

45Akuwanga zwi phantsi, emazwini onke alungileyo awawathethayo uYehova
kwindlu kaSirayeli; enzeka onke.

UYoshuwa 22

Izizwe ezibini ezinesiqingatha ziphindiselwa emakhayeni azo

1Wandula uYoshuwa ukuwabiza amaRubhen, namaGadi, nesiqingatha sesizwe
sakwaManase, wathi kuwo,

2Nikugcinile konke, uMoses umkhonzi kaYehova abeniwisele ngako umthetho,
naliphulaphula izwi lam ezintweni zonke endiniwisele umthetho ngazo.

3Anibashiyanga abazalwana benu ezi mini zininzi unanamhla; ke nisigcinile isigxina
somthetho kaYehova uThixo wenu.

4Kaloku uYehova, uThixo wenu, ubaphumzile abazalwana benu, njengoko
wathethayo kubo. Kaloku ke jikani, niye ezintenteni zenu, ezweni lelifa lenu,
abeninike lona uMoses, umkhonzi kaYehova, phesheya kweYordan.

5Kodwa gcinani kunene ukuba niwenze umthetho nomyalelo awaniwiselayo uMoses,
umkhonzi kaYehova, wokuba nimthande uYehova uThixo wenu, nihambe ngeendlela
zakhe zonke, niyigcine imithetho yakhe, ninamathele kuye, nimkhonze ngentliziyo
yenu yonke, nangomphefumlo wenu wonke.

6Wabasikelela uYoshuwa, wabandulula; baya ezintenteni zabo.

7UMoses ebesinikile ilifa isiqingatha sesizwe sakwaManase eBhashan; esinye
isiqingatha saso uYoshuwa wasinika kunye nabazalwana baso nganeno kweYordan,
ngasentshonalanga. Kananjalo xenikweni uYoshuwa wasindululela ezintenteni zaso,
wasisikelela naso.

8Wathi kuso, Buyelani ezintenteni zenu, ninobutyebi obukhulu, ninengqwebo eninzi
kunene, nesilivere, negolide, nobhedu, nesinyiti, neengubo ezininzi kunene.
Yabelanani nabazalwana benu ngamaxhoba eentshaba zenu.

Imfazwe yamakhaya iyathintelwa

9Babuya ke oonyana bakaRubhen, noonyana bakaGadi, nesiqingatha sesizwe
soonyana bakaManase, besuka koonyana bakaSirayeli eShilo esezweni lakwaKanan,
ukuba baye ezweni laseGiliyadi, ezweni lelifa labo, ababelizuzile ngokomlomo
kaYehova ngesandla sikaMoses.

10Bafika emimandleni yaseYordan, esezweni lakwaKanan. Oonyana bakaRubhen,
noonyana bakaGadi, nesiqingatha sesizwe sakwaManase bákha khona isibingelelo
ngaseYordan, isibingelelo esikhulu, esibonakalayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Beva ke oonyana bakaSirayeli, kusithiwa, Yabonani, oonyana bakaRubhen, noonyana bakaGadi, nesiqingatha sesizwe sakwaManase, bakhé isibingelelo malunga nelizwe lakwaKanan, emimandleni yaseYordan, ngecala elingaphesheya koonyana bakaSirayeli.

12Beva ke oonyana bakaSirayeli, balibizela ndawonye lonke ibandla loonyana bakaSirayeli eShilo, ukuba kunyukwe kuyiwe kubo, kuliwe nabo.

13Oonyana bakaSirayeli bathuma uPinehasi, unyana kaElazare umbingeleli, koonyana bakaRubhen, nakoonyana bakaGadi, nakwisiqingatha sesizwe sakwaManase,

14elizweni laseGiliyadi, enezikhulu ezilishumi, sasinye isikhulu, sasinye isikhulu endlwini yooyise ezizweni zonke zakwaSirayeli, zingamadoda aziintloko zezindlu zooyise emawakeni akwaSirayeli.

15Baya ke koonyana bakaRubhen, nakoonyana bakaGadi, nakwisiqingatha sesizwe sakwaManase, ezweni laseGiliyadi; bathetha kubo, besithi,

16Litsho lonke ibandla likaYehova, ukuthi, Bubumenemene buni na obu nimeneza ngabo kuThixo kaSirayeli, nibuya nje namhla ekumlandeleni uYehova, ngokuzakhela isibingelelo, ukuba nigwilike kuYehova namhla?

17Yinto encinane na kuthi ubugwenxa bukaPehore, esingekazihlambululi kubo unanamhla, saza isibetho saba sebandleni likaYehova,

18nina nibuya nje namhla ekumlandeleni uYehova? Kothi, nigwilike kuYehova nina namhla, ngomso abe noburhalarhume yena kwibandla lonke lakwaSirayeli.

19Inene, ukuba nithi liyinqambi ilizwe lelifa lenu, welani nize ezweni lelifa likaYehova, apho umnquba kaYehova ukhona, nime phakathi kwethu. Ke musani ukugwilika kuYehova, musani ukugwilika kuthi ngokuzakhela isibingelelo esingesiso isibingelelo sikaYehova uThixo wethu.

20Akamenezanga yini na uAkan, unyana kaZera, ngobumenemene entweni esingelwe phantsi, kwaza kwabakho uburhalarhume phezu kwebandla lonke lamaSirayeli? Loo mntu mnye akatshabalalanga yedwa ngobugwenxa bakhe.

21Baphendula oonyana bakaRubhen, noonyana bakaGadi, nesiqingatha sesizwe soonyana bakaManase, bathetha neentloko zamawaka akwaSirayeli, bathi,

22UThixo, uThixo uYehova, uThixo, uThixo uYehova, uyazi, amaSirayeli ayakwazi, ukuba oko kwenziwe ngokugwilika na, nangokumeneza kuYehova.

23Ùze ungàsisindisi namhlanje, ukuba sizakhéle isibingelelo sokusibuyisa ekulandeleni uYehova, nokuba sinyusa phezu kwaso idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, nokuba senzele phezu kwaso imibingelelo yoxolo: uYehova ngokwakhe makakubuze oko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Inene, siyenze le nto ngesithukuthezi, ngethuba lokuthi, Ngexesha elizayo bothi oonyana benu koonyana bethu, Yintoni na enani noYehova, uThixo kaSirayeli?

25UYehova umise umda oyiYordan phakathi kwethu nani, nyana bakaRubhen, nyana bakaGadi; aninasabelo kuYehova nina: oonyana benu bénze ukuba oonyana bethu bayeke ukumoyika uYehova.

26Sithé ke, Makhe sizenzele, sizakhele isibingelelo, singesadini linyukayo, singesambingelelo;

27sibe lingqina phakathi kwethu nani, naphakathi kwezizukulwana zethu emva kwethu, ukuba sisébenze umsebenzi kaYehova phambi kwakhe ngamadini ethu anyukayo, nangemibingelelo yethu, nangemibingelelo yethu yoxolo; ukuze bangàtsho oonyana benu ngexesha elizayo koonyana bethu, ukuthi, Aninasabelo kuYehova nina.

28Sathi ke, Kothi, xa bathe batsho kuthi, nakwizizukulwana zethu ngexesha elizayo, sibe nako ukuthi, Khangelani imfano yesibingelelo sikaYehova abayenzáyo oobawo, ingeyadini linyukayo, ingeyambingelelo, ilingqina phakathi kwethu nani.

29Makube lé kuthi ngenxa yakhe ukuba sigwilike kuYehova, sibuye namhla ekumlandeleni uYehova, silakhele isibingelelo idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, nombingelelo, esingesiso isibingelelo sikaYehova uThixo wethu, esiphambi komnquba wakhe.

30Amazwi aba wathetháyo oonyana bakaRubhen, noonyana bakaGadi, noonyana bakaManase, waweva uPinehasi umbingeleli, nezikhulu zebandla, neentloko zamawaka akwaSirayeli ezazinaye, alunga emehlweni abo.

31Wathi ke uPinehasi unyana kaElazare, umbingeleli, koonyana bakaRubhen, nakoonyana bakaGadi, nakoonyana bakaManase, Namhla siyazi ukuba uYehova uphakathi kwethu, ngokuba ningabenzanga obo bumenemene kuYehova. Ngale nto nibahlángule oonyana bakaSirayeli esandleni sikaYehova.

32Wabuya ke uPinehasi unyana kaElazare, umbingeleli, nezikhulu ezo, koonyana bakaRubhen, nakoonyana bakaGadi, ezweni laseGiliyadi; beza ezweni lakwaKanan, koonyana bakaSirayeli, bebabuyisela ilizwi.

33Ilizwi elo lalunga emehlweni oonyana bakaSirayeli. Oonyana bakaSirayeli bambonga uThixo, ababa sathetha ngokunyuka baye kubo ngobumpi, balitshabalalise ilizwe abahleli kulo oonyana bakaRubhen noonyana bakaGadi.

34Oonyana bakaRubhen noonyana bakaGadi basibiza isibingelelo ngokuthi, Lingqina phakathi kwethu ukuba uYehova unguye uThixo.

UYoshuwa 23

Amazwi kaYoshuwa okwahlukana

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kwathi, kwakuba yimihla emininzi, emveni kokuba uYehova ewaphumzile amaSirayeli ezintshabeni zawo zonke ngeenxa zonke, uYoshuwa eseleyindoda enkulu,

2ekhulile, wawabiza uYoshuwa onke amaSirayeli, amadoda awo amakhulu, neentloko zawo, nabagwebi bawo, nababhali bawo, wathi kubo, Mna ndisendimdala, ndikhulile.

3Nina nikubonile konke abekwenzile uYehova uThixo wenu kwezo ntlanga zonke ngenxa yenu; ngokuba uYehova uThixo wenu nguye onilweleyo.

4Khangelani, ndinábele ngamaqashiso nezi ntlanga zisaseleyo, ukuba zibe lilifa lezizwe zenu, zithabathela eYordan, kunye neentlanga zonke endizinqumleyo, zesa kulwandle olukhulu ngasekutshoneni kwelanga.

5NguYehova uThixo wenu oya kuzigxotha ebusweni benu, azigqogqe phambi kwenu, nilihluthe ilizwe lazo, njengoko wathethayo kuni uYehova uThixo wenu.

6Yomelelani kunene, ukuze nigcine nenze konke okubhaliweyo encwadini yomyalelo kaMoses, ukuze ningasuki kuwo, nityekele ekunene nasekhohlo;

7ukuze ningadibani nezi ntlanga ziseleyo, ezi ke zinani, ningalikhankanyi igama loothixo bazo, ningabafungi, ningabakhonzi, ningabanquli.

8Ize ninamathele kuYehova uThixo wenu, njengoko nikwenzileyo unanamhla.

9UYehova wazigqogqa ebusweni benu iintlanga ezinkulu, ezinamandla; ke nina akumanga mntu phambi kwenu unanamhla;

10indoda inye kuni isukele iwaka; ngokuba uYehova uThixo wenu nguye onilwelayo, njengoko wakuthethayo kuni.

11Zigcineni kunene ngenxa yemiphefumlo yenu, ukuba nimthande uYehova uThixo wenu.

12Kuba ukuba nithe nabuya, nabuya nanamathela kumaqongqolo ezi ntlanga ziseleyo, ezi ke zinani, nendiselana nazo, nadibana nazo, zadibana nani:

13yazini kakuhle ukuba uYehova, uThixo wenu, akayi kuphinda azigqogqe ezi ntlanga phambi kwenu. Zoba zizibatha nemigibe kuni, neziniya emacaleni enu, noviko emehlweni enu, nide nicinywe kulo mhlaba ulungileyo, aninikileyo uYehova uThixo wenu.

14Namhla ndihamba ngendlela yoluntu lonke. Niyazi ngentliziyo yenu yonke, nangomphefumlo wenu wonke, ukuba akuwanga phantsi nalinye ilizwi emazwini onke alungileyo, abewathethile uYehova uThixo wenu ngani; onke enzekile kuni; akuwanga phantsi nalinye ilizwi kuwo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kothi, njengoko lenzekayo kuni lonke ilizwi elilungileyo, abelithethile uYehova
uThixo wenu kuni, enjenjalo ukulenza kuni lonke ilizwi elibi, ade anitshabalalise kulo
mhlaba ulungileyo, aninikileyo uYehova uThixo wenu.

16Ekuwugqitheni umnqophiso kaYehova uThixo wenu, aniwisele wona, naya
nakhonza thixo bambi, nabanqula, wóvutha umsindo kaYehova kuni, nicinywe
kamsinya emhlabeni olungileyo aninikileyo.

UYoshuwa 24

Ukufa kukaYoshuwa; uhlaziyo lomnqophiso

1Wazihlanganisa uYoshuwa zonke izizwe zakwaSirayeli kwaShekem, wawabiza
amadoda amakhulu amaSirayeli, neentloko zawo, nabagwebi bawo, nababhali bawo;
bazimisa phambi koThixo.

2Wathi uYoshuwa kubo bonke abantu, Utsho uYehova uThixo kaSirayeli, ukuthi,
Ooyihlo babehleli phesheya koMlambo kususela kwaphakade, ooTera, uyise ka-
Abraham, uyise kaNahore; babekhonza thixo bambi.

3Ndamthabatha uyihlo uAbraham phesheya koMlambo, ndamhambisa ezweni lonke
lakwaKanan, ndayandisa imbewu yakhe, ndamnika uIsake.

4UIsake ndamnika uYakobi noEsawu; uEsawu ndamnika iintaba zakwaSehire, ukuba
azimé; ke uYakobi noonyana bakhe behla baya eYiputa.

5Ndathuma uMoses noAron, ndayihlisela izibetho iYiputa, njengoko ndenzayo
phakathi kwayo; emveni koko ndanikhupha.

6Ndabakhupha ooyihlo eYiputa, nafika elwandle; amaYiputa abasukela ooyihlo
ngeenqwelo zokulwa nangabamahashe, beza kuLwandle oluBomvu.

7Bakhala kuYehova; wabeka isithokothoko phakathi kwenu namaYiputa, wawazisela
ulwandle, wawagubungela; amehlo enu akubona oko ndakwenzayo eYiputa. Nahlala
entlango imihla emininzi.

8Ndaningenisa ezweni lama-Amori, abehleli phesheya kweYordan, alwa nani;
ndawanikela esandleni senu, nalihlutha ilizwe lawo; ndawatshabalalisa phambi
kwenu.

9Wesuka uBhalaki unyana kaTsipore, ukumkani wakwaMowabhi, walwa
namaSirayeli; wathuma, wabiza uBhileham unyana kaBhehore, ukuba aniqalekise.

10Andavuma ukumphulaphula uBhileham; wanisikelela, akayeka, ndanihlangula
esandleni sakhe.

11Nayiwela iYordan, nafika eYeriko; balwa nani abemi baseYeriko, ama-Amori,
namaPerizi, namaKanan, namaHeti, namaGirgashi, namaHivi, namaYebhusi,
ndabanikela esandleni senu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ndathuma oonomeva phambi kwenu, babagxotha phambi kwenu ookumkani ababini bama-Amori, kungengakrele lakho, kungengasaphetha sakho.

13Ndaninika ilizwe eningaxhamlekanga ngalo, nemizi eningayakhanga, nahlala ke kuyo; nezidiliya, nezinquma eningazityalanga niyazidla ke.

14Moyikeni ke ngoko uYehova, nimkhonze ngokugqibeleleyo, nangenyaniso. Susani oothixo, ababekhonza bona ooyihlo phesheya koMlambo, naseYiputa, nimkhonze ke uYehova.

15Ke ukuba kubi emehlweni enu ukumkhonza uYehova, zinyuleleni namhla oyena niya kumkhonza; nokuba ngoothixo ababekhonza bona ooyihlo, ababephesheya koMlambo, nokuba ngoothixo bama-Amori, enihleli ezweni lawo. Ke mna nendlu yam siya kukhonza uYehova.

16Baphendula abantu, bathi, Makube lé kuthi ukumshiya uYehova, sikhonze thixo bambi.

17Kuba uYehova, uThixo wethu, nguye osinyusileyo thina noobawo bethu ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka; owayenzela emehlweni ethu loo miqondiso mikhulu, wasigcina endleleni yonke esahamba ngayo, nasezizweni zonke esacanda phakathi kwazo.

18Waza wazigxotha uYehova zonke izizwe, nama-Amori abehleli kwelo zwe phambi kwethu. Nathi siya kukhonza uYehova; kuba nguThixo wethu.

19Wathi uYoshuwa kubo abantu, Aninakumkhonza uYehova; ngokuba nguThixo oyingcwele, nguThixo onekhwele; akayi kuzithwala izikreqo zenu, nezono zenu.

20Xa nithe namshiya uYehova, nakhonza oothixo bolunye uhlanga, wojika anenzele ububi anigqibele emveni kokuba enenzele okuhle.

21Bathi abantu kuYoshuwa, Hayi, siya kukhonza uYehova thina.

22Wathi uYoshuwa kubo abantu, Ningamangqina ngakuni, ukuba nina nizinyulele uYehova ukuba nimkhonze. Bathi, Singamangqina.

23Wathi, basuseni ngoko oothixo bolunye uhlanga abaphakathi kwenu, nimthobele ngeentliziyo zenu uYehova, uThixo kaSirayeli.

24Bathi abantu kuYoshuwa, Siya kukhonza uYehova uThixo wethu, siliphulaphule ilizwi lakhe.

25UYoshuwa wenza ke umnqophiso nabantu ngaloo mhla; wabamisela imimiselo namasiko kwaShekem.

26Wawabhala uYoshuwa la mazwi encwadini yomyalelo kaThixo, wathabatha ilitye elikhulu, walimisa khona phantsi komoki osendaweni engcwele kaYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Wathi uYoshuwa kubo bonke abantu, Yabonani, eli litye liya kuba lingqina ngathi;
ngokuba liwavile lona onke amazwi kaYehova, awathethileyo nathi; libe lingqina
ngani, hleze nimkhanyele uThixo wenu.

28Wabandulula ke uYoshuwa abantu; elowo waya elifeni lakhe.

29Kwathi emveni koko, wafa uYoshuwa unyana kaNun, umkhonzi kaYehova,
eminyaka ilikhulu elinashumi-nye ezelwe.

30Bamngcwabela emdeni welifa lakhe, eTimnati-sera, kweleentaba lakwaEfrayim,
entla kwentaba yaseGahashe.

31AmaSirayeli amkhonza uYehova yonke imihla kaYoshuwa, nemihla yonke
yamadoda amakhulu awasalayo kuYoshuwa, abewazi wonke umsebenzi kaYehova
abewenzele amaSirayeli.

32Amathambo kaYosefu, ababenyuke nawo eYiputa oonyana bakaSirayeli,
bawangcwabela kwaShekem, kwisiziba somhlaba awasithengayo uYakobi koonyana
bakaHamore, usoShekem, ngekhulu lesilivere; saba lilifa loonyana bakaYosefu.

33NoElazare unyana ka-Aron wafa; bamngcwabela endulini kaPinehasi, unyana
wakhe, awayinikwayo kweleentaba lakwaEfrayim.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Abagwebi

Abagwebi 1

Uloyiso lukaYuda, nolukaSimon nolwezinye izizwe

1Kwathi emva kokufa kukaYoshuwa, babuza oonyana bakaSirayeli kuYehova, besithi, Ngubani na oya kusiqalela ukunyuka aye kumaKanan, alwe nawo?

2Wathi uYehova, Konyuka uYuda: yabonani, ndilinikele ilizwe esandleni sakhe.

3Wathi uYuda kuSimon umkhuluwa wakhe, Nyuka nam, siye eqashisweni lam silwe namaKanan; nam ndoya nawe eqashisweni lakho. USimon wahamba naye ke.

4Wenyuka ke uYuda; uYehova wawanikela amaKanan namaPerizi esandleni sabo. Bawabulala eBhezeki amadoda angamawaka alishumi.

5UAdoni waseBhezeki bamfumana eBhezeki, balwa naye, bawabulala amaKanan namaPerizi.

6Wasaba uAdoni waseBhezeki; bamsukela, bambamba, bamnqumla oozithupha noobhontsi.

7Wathi uAdoni waseBhezeki, OoKumkani abamashumi asixhenxe babechola phantsi kwetafile yam, benqunyulwe oozithupha noobhontsi; njengoko ndenza ngako, wenjénjalo uThixo ukubuyekeza kum. Bamsa eYerusalem, wafela khona.

8Ke kaloku oonyana bakaYuda balwa neYerusalem, bayithimba, bayibulala ngohlangothi lwekrele, bathi umzi bawufaka umlilo.

9Behla emveni koko oonyana bakaYuda, baya kulwa namaKanan abehleli kweleentaba, nakwelasezantsi, nakweleentlambo.

10Waya uYuda kumaKanan abehleli eHebron; igama leHebron ngenxa engaphambili beliyiKiriyati ka-Arbha; babulala uSheshayi, noAhiman, noTalemayi.

11Wesuka khona waya kubemi baseDebhiri; igama leDebhiri ngenxa engaphambili beliyiKiriyati-sefere.

12Wathi uKalebhi, Othe wayingenela iKiriyati-sefere, wayithimba, ndomnika intombi yam, uAkesa, ibe ngumkakhe.

13Wayithimba uOteniyeli unyana kaKenazi, umninawa kaKalebhi; wamnika ke intombi yakhe, uAkesa, yangumkakhe.

14Kwathi ekuzeni kwayo, yamvuselela ukuba acele umhlaba kuyise wayo; yehla e-esileni layo. Wathi uKalebhi kuyo, Yintoni na?

15Yathi kuye, Ndinike into, ngokuba undiniké umhlaba ongenamanzi; ndinike nemithombo yamanzi. UKalebhi wayinika ke imithombo yasentla nemithombo yasezantsi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Oonyana bomKeni, uyise womkaMoses, benyuka eMzini wamaSundu noonyana bakaYuda, baya kwintlango yakwaYuda, engasezantsi kweArade, baya bahlala nabantu abo.

17Waya uYuda noSimon umkhuluwa wakhe, bawabulala amaKanan abehleli eTsefati, bayitshabalalisa. Kwathiwa igama laloo mzi yiHorma.

18UYuda wayithimba iGaza nommandla wayo, neAshkelon nommandla wayo, ne-Ekron nommandla wayo.

19UYehova waye enoYuda, wabagqogqa abeentaba; kodwa ebengenako ukubagqogqa abemi bentili, ngokuba baye beneenqwelo zesinyithi.

20Bamnika uKalebhi umzi waseHebron, njengoko wathethayo uMoses; wabagqogqa apho oonyana bobathathu baka-Anaki.

21Ke amaYebhusi, abehleli eYerusalem, abawagqogqanga oonyana bakaBhenjamin. Ahleli amaYebhusi noonyana bakaBhenjamin eYerusalem unanamhla.

22Indlu kaYosefu yenyuka nayo, yaya kuyingenela iBheteli; uYehova waye enayo.

23Indlu kaYosefu yayihlola iBheteli; ke igama laloo mzi ngenxa engaphambili beliyiLuzi.

24Iintlola ezo zambona umntu ephuma kuloo mzi, zathi kuye, Khawusibonise ithuba lokungena kulo mzi; sokwenzela inceba.

25Wazibonisa ithuba lokungena kuloo mzi; zawubulala umzi ngohlangothi lwekrele; bamndulula loo mntu nemizalwane yakhe yonke.

26Waya loo mntu ezweni lamaHeti, wákha umzi, wathi igama lawo yiLuzi; ligama lawo unanamhla.

27UManase akayigqogqanga iBheteshehan namagxamesi ayo, neTahanaki namagxamesi ayo, nabemi baseDore namagxamesi ayo, nabemi baseIblam namagxamesi ayo, nabemi baseMegido namagxamesi ayo; ke amaKanan aphikela ukuhlala kwelo zwe.

28Kwathi, akomelela amaSirayeli, awafaka uviko amaKanan, àkawagqogqa awagqibe.

29UEfrayim akawagqogqanga amaKanan abemi eGezere; ahlala amaKanan phakathi kwakhe eGezere.

30UZebhulon akabagqogqanga abemi baseKitron nabemi baseNahaloli; ahlala amaKanan phakathi kwakhe, afakwa uviko.

31UAshere akabagqogqanga abemi baseAko, nabemi baseTsidon, neAhalabhi, neAkezibhi, neHelebha, neAfiki, neRehobhi.

32Ama-Ashere ahlala phakathi kwamaKanan abemi kwelo zwe; ngokuba akawagqogqanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33UNafetali akabagqogqanga abemi baseBhete-shemeshe, nabemi baseBheteanati;
wahlala phakathi kwamaKanan abemi kwelo zwe. Abemi baseBheteshemeshe
nabaseBhete-anati bafakwa uviko nguye.

34Ama-Amori abaxinela kweleentaba oonyana bakaDan; ngokuba akabavumelanga
ukuba behle beze entilini.

35Ama-Amori aphikela ukuhlala eHarheres, naseAyalon, naseShahalebhim. Isandla
sendlu kaYosefu saba nzima, afakwa uviko.

36Umda wama-Amori wathabathela eqhineni leAkrabhim, engxondorheni, wenyusa.

Abagwebi 2

Intshayelelo yebali labagwebi

1Kwenyuka isithunywa sikaYehova eGiligali, saya eBhokim, sathi, Ndaninyusa
eYiputa, ndanizisa kwelo zwe ndafunga kooyihlo ngalo, ndathi, Andiyi kuwaphula
umnqophiso wam nani naphakade;

2ke nina nize ningenzi mnqophiso nabemi beli lizwe; nize nizidilize izibingelelo zabo.
Aniliphulaphulanga ke izwi lam. Yintoni na le niyenzileyo?

3Kananjalo ndathi, Andiyi kubagqogqa phambi kwenu, ukuze babe ziimviko
emacaleni enu, oothixo babo babe ngumgibe kuni.

4Kwathi, sakuwathetha isithunywa sikaYehova la mazwi kubo bonke oonyana
bakaSirayeli, basuka abantu baliphakamisa izwi labo, balila.

5Bayibiza loo ndawo ngokuthi, yiBhokim; babingelela apho kuYehova.

6Ke kaloku okuyá uYoshuwa wabandululáyo abantu, baya oonyana bakaSirayeli
elowo elifeni lakhe, ukuba balimé ilizwe.

7Abantu bamkhonza uYehova yonke imihla kaYoshuwa, nemihla yonke yamadoda
amakhulu awasalelayo kuYoshuwa, abewubonile wonke umsebenzi omkhulu
kaYehova, abewenzele amaSirayeli.

8Wafa ke uYoshuwa unyana kaNun, umkhonzi kaYehova, eminyaka ilikhulu
elinashumi-nye ezelwe.

9Bamngcwabela emdeni welifa lakhe, eTimnata-heres, kweleentaba lakwaEfrayim,
entla kwentaba yaseGahashe.

10Sakuba neso sizukulwana sonke sihlanganiselwe kooyise, kwavela sizukulwana
simbi emva kwaso, esibe singamazi uYehova, kwanomsebenzi abewenzele
amaSirayeli.

11Oonyana bakaSirayeli benza ubui emehlweni kaYehova, bakhonza ooBhahali.

12Bamlahla uYehova, uThixo wooyise, owabakhuphayo ezweni lamaYiputa; balandela
thixo bambi koothixo bezizwe ezibajikelezileyo, babanqula, bamqumbisa uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Bamlahla ke uYehova, bakhonza uBhahali noAshtaroti.

14Wavutha ke umsindo kaYehova kumaSirayeli, wawanikela esandleni sabaphangi, bawaphanga. Wathengisa ngawo, wawanikela esandleni seentshaba zawo ngeenxa zonke; akaba saba nakuma phambi kweentshaba zawo.

15Athi akuphuma esiya naphi, sasuka isandla sikaYehova sawachasa ngobubi, njengoko wakuthethayo uYehova, njengoko wawafungelayo; abandezeleka kunene.

16UYehova wavelisa abagwebi; bawasindisa esandleni sabaphangi bawo.

17Akababaphulaphula nabagwebi bawo, asuka ahenyuza ngokulandela thixo bambi, abanqula, atyeka kamsinya endleleni ababehamba ngayo ooyise, yokuphulaphula imithetho kaYehova. Akenjanga njalo ke wona.

18Naxa uYehova wawavelisela abagwebi, uYehova waba nomgwebi lowo, wawasindisa esandleni seentshaba zawo yonke imihla yomgwebi lowo; ngokuba uYehova wazohlwaya ngenxa yokuncwina kwawo, phambi kwabaxini bawo, ababandezeli bawo.

19Kwathi, akufa umgwebi lowo, abuya onakalisa ngaphezu kooyise, alandela thixo bambi ngokubakhonza nangokubanqula; akaziyeka iintlondi zawo nendlela yokuba lukhuni kwawo.

20Wavutha umsindo kaYehova kumaSirayeli; wathi, Ngenxa enokuba olu hlanga luwugqithile umnqophiso wam endawumisela ooyise, alwaliphulaphula ilizwi lam:

21nam andiyi kuphinda ndithi phambi kwabo ndigqogqe mntu wezi ntlanga, wazishiyayo uYoshuwa ekufeni kwakhe;

22ukuze ndiwalinge ngazo amaSirayeli, ukuba oyigcina na indlela kaYehova, ahambe ngayo, njengoko bayigcináyo ooyise, akayi kuyigcina, kusini na?

23Waziyeka ke uYehova ezo ntlanga, akazigqogqa kamsinya, akazinikela esandleni sikaYoshuwa.

Abagwebi 3

Injongo kaThixo ekuzisindiseni ezinye iintlanga

1Zizo ke ezi iintlanga awaziyekayo uYehova, ukuze awalinge ngazo amaSirayeli, lawo angazazanga iimfazwe zonke zakwaKanan;

2ukuze kodwa azazi izizukulwana zoonyana bakaSirayeli ngokuzifundisa imfazwe, zona ezo zangaphambili zazingazazi:

3izikhulu zozihlanu zamaFilisti, namaKanan onke, namaTsidon, namaHivi ahleli ezintabeni zeLebhanon, ethabathela ezintabeni zeBhahali-hermon, ese ekuyeni eHamati.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Abo ke babengabokulinga amaSirayeli, ukuze kwazeke ukuba oyiphulaphula na imithetho kaYehova, awayiwisela ooyise ngesandla sikaMoses.

5Bahlala ke oonyana bakaSirayeli phakathi kwamaKanan, namaHeti, nama-Amori, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi.

6Bazizeka iintombi zawo zaba ngabafazi babo, bendisa iintombi zabo koonyana bawo, bakhonza oothixo bawo.

UOteniyeli

7Oonyana bakaSirayeli benza ububi emehlweni kaYehova, bamlibala uYehova uThixo wabo, bakhonza ooBhahali nooAshera.

8Wavutha ke umsindo kaYehova kumaSirayeli, wathengisa ngawo, wawanikelaesandleni sikaKushanrishatayim, ukumkani wakwa-Aram phakathi kweMilambo; bamkhonza ke oonyana bakaSirayeli uKushan-rishatayim iminyaka esibhozo.

9Bakhala oonyana bakaSirayeli kuYehova; wabavelisela uYehova oonyana bakaSirayeli umsindisi owabasindisayo, onguOteniyeli, unyana kaKenazi, umninawa kaKalebhi.

10Wafikelwa nguMoya kaYehova, wawalawula amaSirayeli, waphuma waya kulwa. UYehova wamnikela esandleni sakhe uKushan-rishatayim, ukumkani wakwa-Aram; isandla sakhe saba namandla phezu koKushanrishatayim.

11Lazola ke ilizwe iminyaka emashumi mané. Wafa uOteniyeli unyana kaKenazi.

UEhude

12Ke kaloku oonyana bakaSirayeli baphinda benza ububi emehlweni kaYehova; uYehova wamomeleza uEglon ukumkani wakwaMowabhi, ukuba awachase amaSirayeli, ngenxa yokuba enzé ububi emehlweni kaYehova.

13Wabahlanganisela kuye oonyana baka-Amon nama-Amaleki, waya wawabulala amaSirayeli, wawuhlutha uMzi wamaSundu.

14Oonyana bakaSirayeli bamkhonza uEglon, ukumkani wakwaMowabhi, iminyaka elishumi elinesibhozo.

15Bakhala oonyana bakaSirayeli kuYehova; wabavelisela umsindisi onguEhude, unyana kaGera, umBhenjamin, umfo olinxele. Bathumela oonyana bakaSirayeli ngesandla sakhe umnikelo kuEglon, ukumkani wakwaMowabhi.

16UEhude wazenzela ikrele elintlangothi mbini, liyikubhite ubude balo, walinxiba phantsi kwengubo yakhe ethangéni lakhe lokunene.

17Wawusondeza umnikelo kuEglon ukumkani wamaMowabhi: ke uEglon ebengumfo onengxeba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Kwathi, akugqiba ukuwusondeza umnikelo, wabandulula abantu ababewuthwele umnikelo lowo.

19Wabuya yena emifanekisweni eqingqiweyo eseGiligali, wathi, Ndinelizwi lasentsithelweni nawe, kumkani. Wathi, Yithini tu. Baphuma bemka kuye bonke ababemi ngakuye.

20Weza uEhude kuye, ehleli egumbini eliphezulu elinempepho, elibe lilelakhe yedwa. Wathi uEhude, Ndinelizwi likaThixo eliza kuwe; wesuka esihlalweni.

21UEhude wasolula isandla sakhe sokhohlo, walithabatha ikrele ethangéni lakhe lokunene, walifaka esiswini sakhe.

22Watsho sangena nesiphatho, salandela intsimbi; inqatha layivingcela intsimbi, ngokuba akalirholanga ikrele esiswini sakhe; laphuma phakathi kweempundu.

23Waphuma uEhude waya evarandeni, wazivala iingcango zegumbi elo liphezulu, wamvalela, wazitshixa.

24Ephumile ke yena, bangena abakhonzi, babona iingcango zegumbi eliphezulu zivaliwe; bathi, Fanel' ukuba ugubungela iinyawo zakhe egumbini lempepho.

25Baphongoma bada baneentloni; nanko kungavuli mntu ezingcangweni zegumbi eliphezulu; bathabatha isitshixo, bavula: nantsi inkosi yabo iwe phantsi ifile.

26UEhude wasaba, besazilazila bona; wagqitha emifanekisweni eqingqiweyo, wasaba, waya eSehira.

27Kwathi, ukufika kwakhe, wavuthela ngesigodlo ekweleentaba lakwaEfrayim; behla naye oonyana bakaSirayeli kweleentaba, éphambi kwabo yena.

28Wathi kubo, Ndilandeleni, ngokuba uYehova uzinikele iintshaba zenu, amaMowabhi, esandleni senu. Bamlandela ke, bawavingca amazibuko aseYordan angakwaMowabhi, àbavuma ukuba kuwele mntu.

29Babulala amaMowabhi ngelo xesha, amadoda angáthi angamawaka alishumi, onke etyebile, onke engamadoda anobukroti; akwasinda nanye indoda.

30Athotywa ke amaMowabhi loo mini aba phantsi kwesandla samaSirayeli; lazola ilizwe iminyaka emashumi asibhozo.

UShamgare

31Emveni kwakhe yaba nguShamgare, unyana ka-Anati, owabulala kumaFilisti amadoda angamakhulu amathandathu ngoviko lweenkomo, wawasindisa naye amaSirayeli.

Abagwebi 4

UDebhora noBharaki

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Baphinda oonyana bakaSirayeli benza ububi emehlweni kaYehova, akuba efile uEhude.

2UYehova wathengisa ngabo, wabanikela esandleni sikaYabhin, ukumkani wakwaKanan, obephethe ubukumkani eHatsore, omthethelimkhosi ebenguSisera, ohleli eHarosheti yeentlanga.

3Bakhala oonyana bakaSirayeli kuYehova; ngokuba ebeneenqwelo zesinyithi ezingamakhulu asithoba; wabaxina ke oonyana bakaSirayeli ngamandla iminyaka emashumi mabini.

4Ke kaloku uDebhora, umprofetikazi, umkaLapidoti, ebewalawula amaSirayeli ngelo xesha.

5Wayehleli phantsi komthi wesundu kaDebhora, phakathi kweRama neBheteli, kweleentaba lakwaEfrayim. Benyuka baya kuye oonyana bakaSirayeli ukuba athethe amatyala.

6Wathumela ke wabiza uBharaki, unyana ka-Abhinowam, eKedeshe yakwaNafetali, wathi kuye, Akakuwiselanga mthetho na uYehova, uThixo kaSirayeli, esithi, Hamba utsalele entabeni yeTabhore, uthabathe nawe amadoda angamawaka alishumi, koonyana bakaNafetali nakoonyana bakaZebhulon?

7Ndomtsalela kuwe emlanjaneni waseKishon uSisera, umthetheli womkhosi kaYabhin, neenqwelo zakhe zokulwa, nengxokolo yakhe; ndimnikele esandleni sakho.

8Wathi uBharaki kuye, Ukuba ùthe wahamba nam, ndohamba; ukuba akuthanga uhambe nam, andiyi kuhamba.

9Wathi ke, Ukuhamba ndiya kuhamba nawe, kodwa akuyi kuba naludumo kule ndlela uyihambayo; ngokuba uYehova uya kuthengisa ngoSisera, amnikele esandleni senkazana. Wesuka ke uDebhora waya noBharaki eKedeshe.

10UBharaki wawahlabela umkhosi amaZebhulon namaNafetali eKedeshe. Kwenyuka amadoda angamawaka alishumi, amlandela.

11Wenyuka naye uDebhora. Ke kaloku uHebhere, umKeni, wayezahlule kumaKeni, koonyana bakaHobhabhi, uyise womkaMoses, wazimisa iintente zakhe, zaya kuma ngoMoki waseTsahanayim ngaseKedeshe.

12Waxelelwa uSisera ukuba uBharaki, unyana ka-Abhinowam, unyuke weza entabeni yeTabhore.

13USisera wazihlanganisa zonke iinqwelo zakhe zokulwa, iinqwelo zesinyithi ezingamakhulu asithoba, nabantu bonke abanaye, bethabathele eHarosheti yeentlanga, besa emlanjaneni waseKishon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Wathi uDebhora kuBharaki, Suk' ume, ngokuba yiyo le imini uYehova amnikele
ngayo uSisera esandleni sakho; akaphumi yini na uYehova phambi kwakho? Wehla
uBharaki entabeni yeTabhore, elandelwa ngamadoda angamawaka alishumi.

15UYehova wamdubaduba uSisera neenqwelo zakhe zonke zokulwa, nomkhosi
wakhe wonke, ngohlangothi lwekrele phambi koBharaki; wehla uSisera enqwelweni,
wasaba ngeenyawo.

16UBharaki wazisukela iinqwelo zokulwa, wawusukela nomkhosi, wesa eHarosheti
yeentlanga; wawa wonke umkhosi kaSisera ngohlangothi lwekrele, akwasala noko
amnye.

17USisera wasaba ngeenyawo, waya ententeni kaYaheli, umkaHebhere umKeni;
ngokuba belixolile phakathi koYabhin ukumkani waseHatsore nendlu kaHebhere
umKeni.

18Waphuma ke uYaheli, waya wamkhawulela uSisera, wathi kuye, Phambuka, nkosi
yam, phambukela kum; musa ukoyika. Waphambukela ke kuye ententeni,
wamgubungela ngengubo.

19Wathi kuye, Khawundiphe intwana yamanzi ndisele, ngokuba ndinxaniwe.
Wamthululela amasi emvabeni, wamnika wasela; wamgubungela.

20Wathi kuye, Yima emnyango ententeni; kothi, ukuba kuze umntu, wabuza wathi,
Kukho umntu na apha? uthi, Hayi.

21UYaheli umkaHebhere wathabatha isikhonkwane sentente, waphatha isando
ngesandla, waya kuye ecotha, wasibethela isikhonkwane ezintlafunweni zakhe,
saphumela sangena emhlabeni; kuba wayesebuthongweni obukhulu, ediniwe; wafa
ke.

22Kwathi thaphu uBharaki, esukela uSisera. Waphuma uYaheli waya kumkhawulela,
wathi kuye, Yiza, ndikubonise indoda oyifunayo. Waya kuye; nanko uSisera
eludwamba efile, enesikhonkwane ezintlafunweni.

23UThixo wamthoba loo mini uYabhin, ukumkani wamaKanan, phambi koonyana
bakaSirayeli.

24Saya isandla soonyana bakaSirayeli siba nzima ngokuba nzima phezu koYabhin,
ukumkani wamaKanan, bada bamchitha uYabhin, ukumkani wamaKanan.

Abagwebi 5

Ingoma yoloyiso kaDebhora

1Baza bavuma ooDebhora noBharaki, unyana ka-Abhinowam, ngaloo mini, besithi,

2Ngenxa yokukhokela kweenkokeli, Ngenxa yokuqhutywa kwabantu ziintliziyo zabo,
Bongani uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Yivani, bokumkani; bekani iindlebe, zidwangube; Mna lo ndiya kuvuma kuYehova,
Ndiya kumbethela uhadi uYehova, uThixo kaSirayeli.

4Yehova, ekuphumeni kwakho kwaSehire, Ekunyalaseni kwakho, uvela emhlabeni
wakwaEdom, Lanyikima ihlabathi, lavuza nalo izulu; Ewe, amafu avuza amanzi.

5Iintaba zazamazama phambi koYehova; ISinayi leya, phambi koYehova uThixo
kaSirayeli.

6Ngemihla kaShamgare, umfo ka-Anati. Ngemihla kaYaheli, bezingàhanjwa iindlela,
Ababehamba ngeengqushu bahamba ngeendlela eziziphambusa.

7Ebengamiwa amaphandle kwaSirayeli, ebengamiwa, Ndada ndesuka, mna Debhora,
Ndesuka ndaba ngunina kwaSirayeli.

8Kwakunyulwe oothixo abatsha, Kwaza kwayimfazwe emasangweni; Ingweletshetshe
nomkhonto wawubonwa yini na, Phakathi kwamawaka amashumi mané
akwaSirayeli?

9Intliziyo yam ingakubamisi-mthetho bakwaSirayeli, Ingakwabo baqhutywa yintliziyo
yabo phakathi kwabantu; Bongani uYehova.

10Nina bakhwele ezimazini ezimhlophe zamaesile, Nina bahlala ezinkukweni, Nani
bahamba ngendlela, camngcani.

11Kùde nezwi lababi bamaxhoba, apho kukhiwa khona amanzi, Khona apho bobonga
imisebenzi kaYehova yobulungisa, Imisebenzi yobulungisa awayenza emaphandleni
akhe kwaSirayeli; Oko behla abantu bakaYehova, baya emasangweni.

12Vuka, vuka, Debhora! Vuka, vuka, hlaba ingoma! Suk' ume, Bharaki, thimba
abathinjwa bakho, nyana ka-Abhinowam.

13Yihlani ke, maqongqolo aziingangamsha, ningabantu; Yehova, ndíhlele phakathi
kwamagorha.

14Avela kwaEfrayim angcambu ikwa-Amaleki, Emva kwakho, Bhenjamin, phakathi
kwezizwe zakowenu; Kwehla kwaMakire abamisi-mthetho, KwaZebhulon umqikela
unomnqayi wombhali wempi.

15KwaIsakare abathetheli kunye noDebhora, NjengoIsakare, ukwanjalo uBharaki;
Bagaleleka entilini, bamlandela. Emijelweni yakwaRubhen Yaba kukusongela
okukhulu kwentliziyo.

16Ubuhlaleleni na phakathi kwezibaya, Uphulaphula amakhwelo emihlambini?
Emijelweni yakwaRubhen Yaba kukugocagoca okukhulu kwentliziyo.

17UGiliyadi phesheya kweYordan walala, àkalwa; UDan ke yena walibala yini na
ngasezinqanaweni? UAshere wahlala ngaselunxwemeni lolwandle. Walala phantsi
ngasemachwebeni alo, àkalwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18AmaZebhulon ngabantu ababenza isichenge ubomi babo ekufeni, NamaNafetali, ezindaweni eziphakamileyo zelizwe.

19Kwafika ookumkani, balwa, Baza ookumkani bakwaKanan balwa ETahanaki, ngasemanzini aseMegido; Àbathimba neqhosha lesilivere.

20Zalwa ezulwini, Zalwa iinkwenkwezi emendweni yazo noSisera.

21Umlanjana waseKishon wabakhukulisa, Umlanjana wamanyange, umlanjana waseKishon. Nyathela ngamandla, mphefumlo wam.

22Aza angqisha ke ngamanqina amahashe Ngokuphala, ngokuphala anamandla kuwo.

23Qalekisani iMerozi, satsho isithunywa sikaYehova, Qalekisani, qalekisani abemi bakhona. Ngokuba bengezanga kunceda uYehova, Kunceda uYehova phakathi kwamagorha.

24Makasikelelwe kunezinye iintokazi uYaheli, UmkaHebhere umKeni. Makasikelelwe kuneentokazi ezisezintenteni.

25Wacela amanzi, wamnika amasi, Ngesitya sezinhanha wasondeza ingqaka.

26Wasa isandla sakhe esikhonkwaneni, Wasa esokunene esandweni sabasebenza kanzima, Wamkhanda uSisera, wamhlekeza intloko, Wamhlaba, wambhodloza ezintlafunweni.

27Waguqa ezinyaweni zakhe, wawa, walala phantsi. Waguqa ezinyaweni zakhe, wawa; Apho waguqa khona, wawa ephelile.

28Walunguza ngefestile, wamemeza Ngesithuba unina kaSisera, wathi, Ilibele yini na inqwelo yakhe yokulwa, ingafiki nje? Zihlaleleni na iinqwelo zakhe zomkhosi, zingahlokomi nje?

29Aphendule alumkileyo amakhosazana akhe — Ke yena aphinde kwaelakhe, ethetha yedwa, athi,

30Àbafumene na? Àbâbi amaxhoba na? Yintombi, ziintombi ngambini kwintloko yendoda? Ngamaxhoba eengubo ezimfakamfele kuSisera? Ngamaxhoba eengubo ezimfakamfele, eengubo ezilukwe zamfakamfele? Yingubo emfakamfele, ziingubo ezimbini ezilukwe zamfakamfele ezintanyeni zamaxhoba?

31Makube njalo ukubhubha kweentshaba zakho zonke, Yehova; Ke abamthandayo mababe njengokuphuma kwelanga linamandla. Lazola ke ilizwe iminyaka emashumi mané.

Abagwebi 6

UGidiyon namaMidiyan

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku oonyana bakaSirayeli benza ububi emehlweni kaYehova; wabanikela
uYehova esandleni samaMidiyan iminyaka esixhenxe.

2Isandla samaMidiyan saba namandla phezu kwamaSirayeli; oonyana bakaSirayeli
bazilungisela imigongxo esezintabeni, nemiqolomba, neemboniselo ngenxa
yamaMidiyan.

3Kwathi, xa abehlwayele amaSirayeli, enyuka amaMidiyan, nama-Amaleki,
nabasempumalanga;

4benyuka, bawafikela, bawangqinga, bayonakalisa indyebo yelizwe kwada kwaya
eGaza, àbashiya nto idliwayo kwaSirayeli, nagusha, nankomo, naesile.

5Ngokuba bebenyuka bona nemfuyo yabo, neentente zabo, beza bénjengeenkumbi
ukuba baninzi, ababa nakubalwa, bona neenkamela zabo; balingena ilizwe ukuba
balonakalise.

6Abhitya kunene amaSirayeli ngenxa yamaMidiyan. Bakhala oonyana bakaSirayeli
kuYehova.

7Kwathi, bakukhala oonyana bakaSirayeli kuYehova ngenxa yamaMidiyan,

8uYehova wathuma indoda engumprofeti koonyana bakaSirayeli; yathi kubo, Utsho
uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ndaninyusa mna eYiputa, ndanikhupha endlwini
yobukhoboka;

9ndanihlangula esandleni samaYiputa, nasesandleni sabaxini benu bonke,
ndabagxotha phambi kwenu, ndaninika ilizwe labo;

10ndathi kuni, NdinguYehova, uThixo wenu; ningaboyiki oothixo bama-Amori, enihleli
ezweni lawo; ànaliphulaphula izwi lam.

11Kweza isithunywa sikaYehova, sahlala phantsi komoki obuseOfra, kaYowashe
umAbhihezere. Ke uGidiyon, unyana wakhe, wayebhula ingqolowa esixovulelweni,
ukuze ayifihle kumaMidiyan.

12Kwabonakala isithunywa sikaYehova kuye, sathi kuye, UYehova unawe, gorhandini
linobukroti.

13Wathi uGidiyon kuso, Camagu, Nkosi yam; ukuba uYehova unathi, yini na ukuba
kusihlele konke oku? Iphi na yonke imisebenzi yakhe ebalulekileyo, ababesibalisela
ngayo oobawo, besithi, Sasinganyuswanga nguYehova na eYiputa? Kungoku uYehova
usilahlile, wasinikela esandleni samaMidiyan.

14Wabheka ke uYehova kuye, wathi, Hamba ngala mandla akho, uwasindise
amaSirayeli esandleni samaMidiyan.

15Akuthunywe ndim yini na? Wathi yena kuye, Camagu, Nkosi yam, ndowasindisa
ngantoni na amaSirayeli? Khangela, umzi wakowethu ngowona uphantsi
kwaManase, nam ndinguyena mncinane endlwini kabawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Wathi uYehova kuye, Ndiya kuba nawe, uwabulale amaMidiyan njengandoda-nye.

17Wathi kuye, Ukuba ndibabalwe nguwe, khawundenzele umqondiso wokuba nguwe othetha nam.

18Musa ukumka apha, ndide ndize kuwe, ndirhole umnikelo wam, ndiwubeke phambi kwakho.

19Wathi, Ndohlala mna, ude ubuye. UGidiyon waya walungisa itakane lebhokhwe, nezonka ezingenagwele ze-efa yomgubo ocoliweyo; inyama wayibeka engobozini, umhluzi wawugalela embizeni, wazisa kuye phantsi komoki, wasondeza.

20Sathi kuye isithunywa sikaThixo, Thabatha inyama nezonka ezingenagwele, uzibeke phezu kweli litye, uwuphalazele kulo umhluzi. Wenjenjalo.

21Saza isithunywa sikaYehova sesa incam yentonga esesandleni saso, sachukumisa inyama nezonka ezingenagwele; wenyuka umlilo elityeni, wayidla inyama nezonka ezingenagwele, saza isithunywa sikaYehova semka ke emehlweni akhe.

22Wabona uGidiyon ukuba sisithunywa sikaYehova; wathi uGidiyon, Yoo! Nkosi Yehova! Nditsho ngokuba ndibonene nesithunywa sikaYehova.

23UYehova wathi kuye, Uxolo malube kuwe; musa ukoyika, akuyi kufa.

24UGidiyon wákha khona isibingelelo kuYehova, wathi igama laso nguYehova-uluxolo; sisekho nanamhla eOfra yama-Abhihezere.

25Kwathi ngobo busuku, wathi uYehova kuye, Thabatha inkunzi yenkomo eyekayihlo, eyesibini inkunzi eminyaka isixhenxe, usidilize isibingelelo sikaBhahali sikayihlo, umgawule uAshera ongakuso;

26wakhe isibingelelo kuYehova uThixo wakho encotsheni yale nqaba, usilungiselele, uthabathe eyesibini inkunzi, unyuse idini elinyukayo ngeenkuni zika-Ashera omgawuleyo.

27UGidiyon wathabatha amadoda alishumi kubakhonzi bakhe; wenza njengoko wathethayo uYehova kuye. Kwathi, kuba esoyika indlu kayise namadoda aloo mzi, akenza emini, wenza ebusuku.

28Avuka kusasa ngengomso amadoda aloo mzi: naso isibingelelo sikaBhahali sidiliziwe, egawulwe noAshera obengakuso, neyesibini inkunzi inyusiwe phezu kwesibingelelo esibe sakhiwe.

29Yathi enye kwenye, Ngubani na lo wenzé le nto? Abuza, afuna. Bathi, NguGidiyon unyana kaYowashe, lo wenzé le nto.

30Athi amadoda aloo mzi kuYowashe, Khupha unyana wakho, afe; ngokuba úsidilizile isibingelelo sikaBhahali, wamgawula uAshera obengakuso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Wathi uYowashe kubo bonke ababemmele, Niya kummela uBhahali nina aba na? Niya kumsindisa nina aba na? Lowo ummelayo uBhahali makabulawe; makhe kuse. Ukuba únguThixo, makazithethele, ngokuba sídiliziwe isibingelelo sakhe.

32Kwathiwa loo mini unguYerubhahali, kusithiwa, uBhahali makaphikisane naye, ngokuba esidilizile isibingelelo sakhe.

33Ahlangana ndawonye onke amaMidiyan, nama-Amaleki, nabasempumalanga; awela, amisa emathafeni aseYizereli.

34UMoya kaYehova wangena kuGidiyon, wavuthela ngesigodlo; ahlatyelwa umkhosi, eza ama-Abhihezere, amlandela.

35Wathuma abathunywa kumaManase onke, ahlatyelwa; eza nawo amlandela. Wathuma abathunywa kuma-Ashere, nakumaZebhulon, nakumaNafetali; enyuka awakhawulela.

36Wathi uGidiyon kuThixo, Ukuba ùyawasindisa amaSirayeli ngesandla sam,

37njengoko uthethileyo, nanku ndibeké uboya obuchetyiweyo esandéni; ukuba umbethe uthe waba seboyeni bodwa, wonke umhlaba wawomile, ndiya kwazi ke ukuba uya kuwasindisa amaSirayeli ngesandla sam, njengoko uthethileyo.

38Kwaba njalo ke. Wavuka kusasa ngengomso, wabukhamanga uboya, wawukhama umbethe eboyeni, kwazala indebe ngamanzi.

39Wathi uGidiyon kuThixo, Mawungavuthi umsindo wakho kum, ndakuthetha okwesi sihlandlo sodwa; makhe ndilinge okwesi sihlandlo sodwa ngoboya, kome uboya bodwa, umbethe ube semhlabeni wonke.

40Wenjenjalo uThixo ngobo busuku: koma uboya bodwa, umbethe waba semhlabeni wonke.

Abagwebi 7

Ukuphanziswa komkhosi wamaMidiyan

1Wavuka kusasa uYerubhahali (nguGidiyon ke lowo), nabantu bonke naye, bamisa emantloko omthombo weHarodi; ke umkhosi wamaMidiyan wawungakuye, ngasentla kwenduli yakwaMore, entilini.

2Wathi uYehova kuGidiyon, Baninzi abantu abanawe, kunokuba ndiwànikele amaMidiyan esandleni sabo; hleze amaSirayeli aqhayise, athi, Sisindiswe sisandla sethu.

3Khawudanduluke ke ngoko ezindlebeni zabantu, uthi, Owoyikayo nogubhayo makabuye, makanyebeleze emke ezintabeni zeGiliyadi. Kwabuya ke kubo abantu abangamawaka angamashumi omabini anamabini; kwasala amawaka alishumi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wathi uYehova kuGidiyon, Abantu basebaninzi. Yihla nabo, uye emanzini, ndikukhethele bona apho; kothi, endithe kuwe, Lo uya kuhamba nawe, maze ahambe nawe yena; bonke endisukuba ndithi kuwe, Lo akayi kuhamba nawe, ize angahambi nawe yena.

5Wehla nabantu waya emanzini; wathi uYehova kuGidiyon, Bonke abasukuba bekramncela amanzi ngolwimi lwabo, njengoko ixhaphayo inja, uze ubamise bodwa; bonke abasukuba beguqa ngamadolo abo ukuba basele, uze ubamise bodwa.

6Inani labaseláyo ngesandla salo emlonyeni laba ngamadoda amakhulu mathathu; bonke abanye abantu baguqa ngamadolo abo ukuba basele amanzi.

7Wathi uYehova kuGidiyon, Ndiya kunisindisa ngala madoda amakhulu mathathu akramnceleyo, ndiwànikele amaMidiyan esandleni sakho. Bonke abanye abantu mabagoduke, elowo aye endaweni yakhe.

8Bawuphatha abantu abo umphako ngesandla sabo, nezigodlo zabo. Wawandulula onke amadoda akwaSirayeli, ukuba ileyo iye ententeni yayo; wagcina amadoda lawo amakhulu mathathu. Umkhosi wamaMidiyan waba ngezantsi kwakhe entilini.

9Kwathi ngobo busuku, uYehova wathi kuye, Vuka, uhle uye empini; ngokuba ndiyinikele esandleni sakho.

10Ukuba uyoyika ukuhla, yihla nomfana wakwakho uFura, uye empini,

11uve into abayithethayo; emveni koko síya komelela isandla sakho. Yihla ke uye empini. Wehla ke yena noFura, umfana wakwakhe, baya ekupheleni kwabaxhobileyo abasempini.

12AmaMidiyan nama-Amaleki nabasempumalanga bonke babelele entilini benjengeenkumbi ukuba baninzi; neenkamela zawo zibe zingenakubalwa, njengentlabathi yonxweme lolwandle ukuba zininzi.

13Wafika uGidiyon; nantso indoda ixelela ummelwane wayo iphupha, isithi, Yabona, ndiphuphé iphupha; ndiboné kuqengqeleka isonka serhasi sisiza emkhosini wamaMidiyan, sifike ententeni, sibèthe iwe, ithi bhukuqu intente, ithi bhuma.

14Waphendula ummelwane wayo wathi, Loo nto kunje likrele likaGidiyon, unyana ka Yowashe, indoda yakwaSirayeli; uThixo uwanikele amaMidiyan nomkhosi wonke esandleni sakhe.

15Kwathi, akukuva uGidiyon ukuxelwa kwephupha nokutyhilwa kwalo, wanqula, wabuyela emkhosini wamaSirayeli, wathi, Vukani, ngokuba uYehova uyinikele impi yamaMidiyan esandleni senu.

16Wawahlula aba ngamaqela omathathu amadoda lawo amakhulu mathathu; wabeka izigodlo esandleni sawo onke, nemiphanda engenanto, nezikhuni ezivuthayo ngaphakathi kwemiphanda leyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Wathi kuwo, Khangelani kum, nenjenje: yabonani, ndákufika ekupheleni kwempi,
nothi njengoko ndenza ngako mna, nenjenjalo nina.

18Ndovuthela ngezigodlo mna, nabo bonke abanam, nivuthele ke ngezigodlo nani
ngeenxa zonke emkhosini, nithi, Ha! Ha! Ikrele likaYehova, likaGidiyon!

19Wafika ke uGidiyon, nekhulu lamadoda elinaye, ekupheleni kwempi, ekuqalekeni
komlindo ophakathi kobusuku, bákuth' ukuthi ukumiswa abalindi. Lavuthela
ngezigodlo, liyiqhekeza imiphanda esezandleni zalo.

20Avuthela ke ngezigodlo amaqela omathathu, ayiqhekeza imiphanda; aziphatha
izibane ezivuthayo ngezandla zawo zokhohlo, awaphatha amaxilongo ngezandla
zawo zokunene, ukuba avuthele; adanduluka esithi, Ha! Ha! Ikrele likaYehova,
likaGidiyon!

21Ema onke ezindaweni zawo ngeenxa zonke empini. Yasaba yonke impi, yakhala,
yasabisa.

22Amakhulu omathathu avuthela ngezigodlo. UYehova walibhekisa ikrele lendoda
kummelwane wayo, nakwimpi yonke; yasaba impi, yasinga eBhete-shita
ngaseTserera, yasinga emdeni weAbhele-mehola ngaphaya kweTabhata.

23Wahlatyelwa umkhosi, weza umntu wakwaSirayeli ephuma kwaNafetali, nakwa-
Ashere, nakuManase wonke, wawasukela amaMidiyan.

24UGidiyon wathuma abathunywa kweleentaba lonke lakwaEfrayim, esithi, Yihlani
niwahlangabeze amaMidiyan, niwaphangele ukuthabatha amanzi, nise eBhete-bhara
neYordan. Wahlatywa umkhosi, beza abantu bonke bakwaEfrayim, baphangela
ukuwathabatha amanzi lawo, besa eBhete-bhara neYordan.

25Bababamba abathetheli ababini bamaMidiyan, uOrebhe noZebhe; bambulalela
uOrebhe eweni likaOrebhe, uZebhe bambulalela esixovulelweni sikaZebhe,
bawasukela amaMidiyan. Beza nentloko kaOrebhe nekaZebhe kuGidiyon phesheya
kweYordan.

Abagwebi 8

Ukusukelwa kookumkani

1Athi amadoda akwaEfrayim kuye, Yintoni na le nto uyenzileyo kuthi, yokuba
ungasibizi, ukuya kulwa kwakho namaMidiyan? Babambana naye kabukhali.

2Wathi kuwo, Ndenzé ntoni na ngoku ngangáni? Ukubhikica kwamaEfrayim
akukugqithile na ngokulunga ukuvuna iidiliya komAbhihezere?

3UThixo ubanikele esandleni senu abathetheli bakwaMidiyan, uOrebhe noZebhe;
yintoni na endinokuyenza ngangani? Yaza ingqumbo yawo ngakuye yadamba
ekulithetheni kwakhe elo lizwi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Akufika uGidiyon eYordan, ewela enamadoda amakhulu mathathu, etyhafile, esasukela noko,

5wathi kumadoda aseSukoti, Khanibaphe abantu aba bandilandelayo iintendana zezonka, ngokuba batyhafile; ndisukela uZebha noTsalimuna, ookumkani bamaMidiyan.

6Bathi abathetheli baseSukoti, Isandla sikaZebha noTsalimuna sesisesandleni sakho yini na, ukuba siwunike umkhosi wakho isonka?

7Wathi uGidiyon, Xa kunjalo, ákubanikela uYehova ooZebha noTsalimuna esandleni sam, ndoyibhalula inyama yenu ngemithana enameva yasentlango, nangamakhakakhaka.

8Wenyuka khona, waya ePenuweli, wathetha kubo kwangokunjalo. Bamphendula abantu basePenuweli njengoko bamphendula ngako abantu baseSukoti.

9Watsho nakubantu basePenuweli, ukuthi, Ekubuyeni kwam ngoxolo ndoyidiliza le nqaba inde.

10Ke kaloku uZebha noTsalimuna bebeseKarkore, benemikhosi yabo, ngathi ngamawaka alishumi elinamahlanu ewonke amadoda, abesele kwimikhosi yonke yabasempumalanga. Kwakuwé amadoda alikhulu elinamanci mabini amawaka, arhola ikrele.

11Wenyuka uGidiyon ngendlela yabahlala ezintenteni, ngasempumalanga kweNobha neYogebheha, wayibulala impi; impi leyo ibingaxhalele nto.

12Basaba ooZebha noTsalimuna; wabasukela, wababamba ookumkani bobabini bamaMidiyan, ooZebha noTsalimuna; wayothusa yonke impi.

13Wabuya uGidiyon unyana kaYowashe emfazweni, evela eqhineni leHeheres,

14wabamba indodana yabantu baseSukoti, wayibuza; yambalela abathetheli baseSukoti, namadoda amakhulu akhona, amadoda amashumi asixhenxe anesixhenxe.

15Weza ebantwini baseSukoti, wathi, Naba ooZebha noTsalimuna, enibe nindingcikiva ngabo, nisithi, Isandla sikaZebha noTsalimuna sesisesandleni sakho yini na, ukuba siwanike isonka amadoda akho atyhafileyo?

16Wawathabatha amadoda amakhulu aloo mzi, nemithana enameva yasentlango namakhakakhaka, wawaqondisa ngayo amadoda aseSukoti.

17Wayidiliza nenqaba ende yasePenuweli, wababulala abantu baloo mzi.

18Wathi kuZebha noTsalimuna, Ebenjani na amadoda enawabulalayo eTabhore? Bathi, Abenjengawe, elowo enesithomo sonyana wokumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Wathi, Babengabazalwana bam abo, oonyana bakama. Ehleli nje uYehova, ukuba benibasindisile, ngendingànibulali.

20Wathi kuYetere owamazibulo kuye, Suk' ume, ubabulale. Ke indodana leyo ayilirholanga ikrele layo; ngokuba ibisoyika, kuba ibisengumfana.

21Bathi ooZebha noTsalimuna, Suk' ume wena, usithi qwele; njengoko injalo indoda, bunjalo nobugorha bayo. Wesuka ke uGidiyon, wababulala ooZebha noTsalimuna, wazithabatha iintsimbi ezisezintanyeni zeenkamela zabo.

Ubomi bamva bukaGidiyon nokufa kwakhe

22Athi amaSirayeli kuGidiyon, Silawule wena, kwanonyana wakho, nonyana wonyana wakho; ngokuba usisindisile esandleni samaMidiyan.

23Wathi uGidiyon kuwo, Andiyi kunilawula mna; akayi kunilawula nonyana wam; nguYehova oya kunilawula nina.

24Wathi uGidiyon kuwo, Ndiya kucela ngcelo-nye kuni; ndinikeni elowo ijikazi lexhoba lakhe. (Ngokuba ebenamajikazi egolide, kuba ebengamaIshmayeli.)

25Athi, Sokunika ngemvume. Azandlala iingubo, aphosa khona elowo ijikazi lexhoba lakhe.

26Ubunzima bamajikazi egolide awawacelayo baba liwaka elinamakhulu asixhenxe eeshekele zegolide, ngaphandle kwezaa ntsimbi namacici neengubo ezimfusa ezibe zikookumkani bamaMidiyan, nangaphandle kwezidanga ezibe zisezintanyeni zeenkamela zabo.

27UGidiyon wenza ngazo iefodi, wayibeka emzini wakhe eOfra; athi onke amaSirayeli ahenyuza ngokuyilandela khona; yangumgibe kuGidiyon nakwindlu yakhe.

28Athotywa amaMidiyan phambi koonyana bakaSirayeli, akaphinda aziphakamise iintloko zawo. Lazola ke ilizwe iminyaka emashumi mané ngemihla kaGidiyon.

29Waya uYerubhahali, unyana kaYowashe, wahlala endlwini yakhe.

30UGidiyon ebenoonyana abangamashumi asixhenxe abaphumáyo esinqeni sakhe, ngokuba ebenabafazi abaninzi.

31Neshweshwe lakhe, elibe likwaShekem, lamzalela unyana nalo; awamthiya igama lokuba nguAbhimeleki.

32Wafa uGidiyon unyana kaYowashe, eyingwevu enkulu, wangcwatyelwa engcwabeni likaYowashe uyise, eOfra yama-Abhihezere.

33Kwathi, akufa uGidiyon, babuya oonyana bakaSirayeli bahenyuza ngokulandela uBhahali; bazimisela uBhahalibheriti, waba nguthixo wabo.

34Oonyana bakaSirayeli abamkhumbulanga uYehova uThixo wabo, owabahlangulayo esandleni seentshaba zabo zonke ngeenxa zonke;

© 1975 Bible Society of South Africa.

35àbayenzela nceba indlu kaYerubhahali, kaGidiyon, ngokokulunga konke awawenzeláyo amaSirayeli.

Abagwebi 9

Ubukumkani buka-Abhimeleki nokuwa kwakhe

1Waya uAbhimeleki kaYerubhahali kwaShekem kubazalwana bonina, wathetha kubo nakwimizalwane yonke yendlu kayise yonina, wathi,

2Khanithethe ezindlebeni zabemi bakwaShekem bonke, nithi, Okona kulungileyo kuni, kukuthi nilawulwe ngamadoda amashumi asixhenxe, oonyana bonke bakaYerubhahali, kukuthi nilawulwe yindoda ibe nye, kusini na? Khumbulani ukuba ndilithambo lenu; ndiyinyama yenu.

3Bathetha abazalwana bonina ngaye, ezindlebeni zabemi bakwaShekem bonke loo mazwi onke, intliziyo yabo yakuthobela ukumlandela uAbhimeleki; ngokuba bathi, Ngumzalwana wethu.

4Bamnika iisilivere ezimashumi asixhenxe ezivela endlwini kaBhahali-bheriti; uAbhimeleki waqesha ngazo amadoda angenabuntu, agasileyo; amlandela ke.

5Weza endlwini kayise eOfra, wababulala abazalwana bakhe, oonyana bakaYerubhahali, amadoda amashumi asixhenxe, tyeni linye; kwasala uYotam, unyana omncinane kaYerubhahali, ngokuba wazímela.

6Bahlangana bonke abemi bakwaShekem nendlu yonke yeMilo, baya bamenza uAbhimeleki ukumkani ngasemokini wesikhumbuzo okwaShekem.

7Waxelelwa uYotam, waya wema encotsheni yentaba yeGerizim, waliphakamisa izwi lakhe, wadanduluka, wathi kubo, Ndiveni, nina bemi bakwaShekem, aze uYehova anive nani.

8Yaya imithi ukuya kuthambisa ukumkani ukuba abe phezu kwayo. Yathi kumnquma, Yiba ngukumkani wethu.

9Wathi umnquma kuyo, Ndingade ndikuncame na ukutyeba kwam abakuzukisayo oothixo nabantu, ndiye kujingajinga phezu kwemithi?

10Yathi imithi kumkhiwane, Yiza wena, ube ngukumkani wethu.

11Wathi umkhiwane kuyo, Ndingade ndiyincame na incasa yam, neziveliso zam ezihle, ndiye kujingajinga phezu kwemithi?

12Yathi imithi kumdiliya, Yiza wena, ube ngukumkani wethu.

13Wathi umdiliya kuyo, Ndingade ndiyincame na iwayini yam evuyisa oothixo nabantu, ndiye kujingajinga phezu kwemithi?

14Yathi yonke imithi kwiqunube, Yiza wena, ube ngukumkani wethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Lathi iqunube kuyo imithi, Ukuba okunene niyandithambisa ndibe ngukumkani
wenu, yizani nizímele ngomthunzi wam; ukuba akunjalo, makuphume umlilo
equnubeni, uyidle imisedare yaseLebhanon.

16Ukuba ke ngoko nenzé ngenyaniso nangokugqibeleleyo, uAbhimeleki nimenzé
ukumkani nje, ukuba nenzé okulungileyo kuYerubhahali nakwindlu yakhe, ukuba
nimenzele ngokwempatho yezandla zakhe;

17(ekubeni ubawo wanilwelayo, wawulahlayo umphefumlo wakhe, wanihlagulayo
esandleni samaMidiyan;

18ke nina nisuke nayivunukela indlu kabawo namhla, nababulala oonyana bakhe,
amadoda angamashumi asixhenxe, tyeni linye, namenza ukumkani wabemi
bakwaShekem uAbhimeleki, unyana womkhonzazana wakhe, ngokuba
engumzalwana wenu);

19ukuba ke nenzé ngenyaniso nangokugqibeleleyo namhla kuYerubhahali nakwindlu
yakhe: vuyani ke ngoAbhimeleki, avuye naye ngani.

20Ukuba akunjalo, makuphume umlilo kuAbhimeleki, ubadle abemi bakwaShekem
nendlu yeMilo, uphume umlilo kubemi bakwaShekem nakwindlu yeMilo, umdle
uAbhimeleki.

21Wabaleka ke uYotam, wasaba, waya eBhere, wahlala khona ngenxa ka-Abhimeleki
umzalwana wakhe.

22UAbhimeleki waba ngumthetheli wamaSirayeli iminyaka emithathu.

23UThixo wathuma umoya ombi phakathi koAbhimeleki nabemi bakwaShekem,
bamkhohlisa uAbhimeleki abemi bakwaShekem;

24ukuze ukungonyanyelwa koonyana abangamashumi asixhenxe bakaYerubhahali
kufike, igazi labo libekwe phezu koAbhimeleki umzalwana wabo, owababulalayo,
naphezu kwabemi bakwaShekem, abasomelezayo isandla sakhe, wababulala
abazalwana bakhe.

25Abemi bakwaShekem bammisela abalaleli ezincotsheni zeentaba, baxhakamfula
bonke abadlula kubo ngendlela. Waxelelwa ke uAbhimeleki.

26Waya uGahali unyana kaEbhede, nabazalwana bakhe, badlula besiya kwaShekem.
Abemi bakwaShekem bakholosa ngaye.

27Baphuma baya emasimini, bavuna izidiliya zabo, bazixovula, benza iminikelo
yendumiso, baya endlwini yothixo wabo, badla, basela, bamqalekisa uAbhimeleki.

28Wathi uGahali unyana kaEbhede, Ngubani na yena uAbhimeleki? Engubani na yena
uShekem, ukuba simkhonze? Àkanyana kaYerubhahali na, waye uZebhule
engemveleli wakhe na? Khonzani amadoda akwaHamore, usoShekem. Kungani na
ukuba simkhonze yena?

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Abába aba bantu babesesandleni sam! Kukhona bendingamsusayo uAbhimeleki.
Wathi, esingisa kuAbhimeleki, Wandise umkhosi wakho, uphume.

30Waweva uZebhule, umphathi waloo mzi, amazwi kaGahali unyana kaEbhede,
wavutha umsindo wakhe.

31Wathuma abathunywa kuAbhimeleki ngenkohliso, esithi, Nanku uGahali unyana
kaEbhede, nabazalwana bakhe, befiké kwaShekem; yabona, bayawubandezela umzi
ukuba uchasane nawe.

32Vuka ke ngoko ebusuku, wena nabantu onabo, ulalele emasimini;

33kothi, kusasa ukuphuma kwelanga, uvuke kusasa, wakhe uluhlu uye kuloo mzi;
nanko yena nabantu anabo bephuma besiza kuwe; wénze kuye, njengoko sithe
safumana ngako isandla sakho.

34Wavuka ke ebusuku uAbhimeleki nabantu bonke anabo, bawulalela
owakwaShekem, bemaqela mané.

35Waphuma uGahali unyana kaEbhede, wema ekungeneni kwesango lomzi; wesuka
uAbhimeleki nabantu anabo ekulaleleni.

36UGahali wababona abantu, wathi kuZebhule, Naba abantu besihla ezincotsheni
zeentaba. Wathi uZebhule kuye, Ùbona amathunzi eentaba ngathi ngabantu.

37Waphinda waqokela uGahali, wathi ukuthetha, Naba abantu besihla emnyeleni
welizwe, elinye iqela lisiza ngendlela yoMoki wamaTola.

38Wathi uZebhule kuye, Úphi na kaloku umlomo wakho owathi ngawo, Ngubani na
uAbhimeleki ukuba simkhonze? Asingabo abo bantu na wabacekisayo? Khawuphume
kaloku, ulwe nabo.

39Waphuma uGahali phambi kwabemi bakwaShekem, walwa noAbhimeleki.

40UAbhimeleki wamsukela; wasaba yena phambi kwakhe. Kwawa ababuleweyo baba
baninzi, kwada kwesa ekungeneni kwesango.

41UAbhimeleki wahlala eAruma; uZebhule wamgxotha uGahali nabazalwana bakhe
ukuba bangahlali kwaShekem.

42Kwathi ngengomso, baphuma abantu baya emasimini; waxelewa uAbhimeleki.

43Wabathabatha abantu, wabahlula baba maqela mathathu, walalela emasimini;
wakhangela, wabona abantu bephuma kuloo mzi, wabavunukela wabaxabela.

44UAbhimeleki namaqela abenawo badwela ekungeneni kwesango lomzi; aza
amaqela amabini akha uluhlu kubo bonke ababesemasimini, abaxabela ke.

45UAbhimeleki walwa naloo mzi imini yonke, wawuthimba umzi, nabantu abakuwo
wababulala; wawudiliza umzi, wawuhlwayela ityuwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

46Beva ke bonke abasenqabeni ende yakwaShekem, bangena engontsini yendlu yoEle-Bheriti.

47Waxelelwa uAbhimeleki, ukuba babuthelene khona bonke abasenqabeni ende yakwaShekem.

48Wayinyuka uAbhimeleki intaba yaseTsalimon, yena nabantu bonke abenabo; uAbhimeleki waphatha amazembe ngesandla, wagawula isebe emithini, walifunqula, walibeka egxalabeni lakhe; wathi ebantwini abenabo, Into enibone ndiyenza, ngxamani nenze njengam.

49Bagawula ke nabo abantu bonke, elowo isebe lakhe, bamlandela uAbhimeleki, bawabeka engontsini leyo, bayifaka isikhuni ingontsi, bekuyo abasenqabeni; kwafa nabantu bonke benqaba ende yakwaShekem, ngathi liwaka lamadoda nabafazi.

50UAbhimeleki waya eTebhetse, wayingqinga iTebhetse, wayithimba.

51Kwakukho inqaba ende eliqele phakathi komzi, abalekela khona onke amadoda, nabafazi, nabemi bonke bomzi, bazivalela, bakhwela phezu kwentungo yenqaba leyo inde.

52Wafika ke uAbhimeleki enqabeni ende, walwa nayo, wasondela emnyango wenqaba ende, ukuze ayitshise ngomlilo.

53Yasuka inkazana ethile, yaphosa ilitye lokusila langaphezulu entlokweni ka-Abhimeleki, yamtyumza ukakayi.

54Wabiza kamsinya umfana wakwakhe obephethe iintonga zakhe, wathi kuye, Rhola ikrele lakho, undibulale, hleze kuthiwe ngam, Úbulewe yinkazana. Umfana wakwakhe wamhlaba amahlànza, wafa ke.

55Abona amaSirayeli ukuba ufile uAbhimeleki, aya elowo endaweni yakhe.

56UThixo wabubuyisela entlokweni yakhe ububi buka-Abhimeleki abebenzile kuyise, ngokubulala abazalwana bakhe abamashumi asixhenxe;

57nobubi bonke bamadoda akwaShekem uThixo wabubuyisela ezintlokweni zawo; afikelwa sisiqalekiso sikaYotam, unyana kaYerubhahali.

Abagwebi 10

Ama-Amon acinezela amaSirayeli

1Emva koAbhimeleki kwavela uTola, unyana kaPuwa, unyana kaDodo, umIsakare, ohleli eShamire ezintabeni zakwaEfrayim; wawasindisa amaSirayeli.

2Wawalawula amaSirayeli iminyaka emashumi mabini anamithathu; wafa, wangcwatyelwa eShamire.

3Emva kwakhe kwavela uYahire umGiliyadi, wawalawula amaSirayeli iminyaka emashumi mabini anamibini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wayenoonyana abamashumi mathathu, abakhwela emaesileni amatsha amashumi mathathu, benemizi emashumi mathathu, ekuthiwa yiHavoti-yahire yona unanamhla, esezweni laseGiliyadi.

5Wafa uYahire, wangcwatyelwa eKamon.

6Baphinda oonyana bakaSirayeli benza ububi emehlweni kaYehova bakhonza ooBhahali, nooAshtaroti, noothixo bakwa-Aram, noothixo baseTsidon, noothixo bakwaMowabhi, noothixo boonyana baka-Amon, noothixo bamaFilisti. Bamlahla uYehova, àbamkhonza.

7Wavutha umsindo kaYehova kumaSirayeli, wathengisa ngawo, wawanikela esandleni samaFilisti, nasesandleni soonyana baka-Amon.

8Babaguba babacola oonyana bakaSirayeli kwangaloo mnyaka; babacola iminyaka elishumi elinesibhozo bonke oonyana bakaSirayeli, ababephesheya kweYordan ezweni lama-Amori eliseGiliyadi.

9Oonyana baka-Amon bayiwela iYordan, ukuze balwe namaYuda, namaBhenjamin, nendlu yakwaEfrayim; amaSirayeli abandezeleka kunene.

10Bakhala oonyana bakaSirayeli kuYehova, bathi, Sikonile, ngokuba simlahlile uThixo wethu, sakhonza ooBhahali.

11Wathi uYehova koonyana bakaSirayeli, Ndibe ndinganisindisanga na kumaYiputa, nakuma-Amori, nakoonyana baka-Amon, nakumaFilisti,

12nakumaTsidon, nakuma-Amaleki, nakumaMahon, abenixina; nakhala kum, ndanisindisa esandleni sawo?

13Nindilahlile nina, nakhonza thixo bambi; ngako oko andiyi kuphinda ndinisindise.

14Hambani niye kukhala koothixo enibanyulileyo; mabanisindise bona ngexesha lokubandezelwa kwenu.

15Bathi oonyana bakaSirayeli kuYehova, Sonile; yenza wena kuthi ngokubona kwakho; kodwa khawusihlangule okwanamhla.

16Babasusa oothixo bolunye uhlanga phakathi kwabo, bakhonza uYehova. Wakhathazeka umphefumlo wakhe ngokwaphuka kwamaSirayeli.

17Babizeleka ndawonye oonyana baka-Amon, bamisa eGiliyadi. Bahlanganisana oonyana bakaSirayeli, bamisa eMizpa.

18Bathi abantu, abathetheli baseGiliyadi, omnye komnye, Ngubani na indoda eya kuqala ukulwa noonyana baka-Amon? Yoba yintloko yabemi bonke baseGiliyadi.

Abagwebi 11

Ukoyiswa kwama-Amon nguYifeta, nesifungo sakhe

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku uYifeta, umGiliyadi, ebeligorha elinobukroti; ke ubengunyana wenkazana elihenyukazi. UGiliyadi wazala uYifeta.

2UmkaGiliyadi wamzalela oonyana; bakhula oonyana bomkakhe, bamgxotha uYifeta, bathi kuye, Akuyi kudla lifa endlwini kabawo, ngokuba ungunyana wankazana yimbi wena.

3Wabaleka uYifeta phambi kwabazalwana bakhe, wahlala ezweni laseTobhi. Kwathuthelana kuYifeta amadoda angenabuntu, aphuma naye.

4Kwathi, kwakuba ntsuku, balwa oonyana baka-Amon noonyana bakaSirayeli.

5Kwathi, bakuba besilwa oonyana baka-Amon namaSirayeli, amadoda amakhulu aseGiliyadi aya kumthabatha uYifeta ezweni laseTobhi;

6athi kuYifeta, Yiza ube ngumphathi wethu, silwe noonyana baka-Amon.

7Wathi uYifeta kumadoda amakhulu aseGiliyadi, Asinini yini na abandithiyáyo, bandigxotha endlwini kabawo? Kungani na ukuba nize kum kaloku, nakuba nibandezelekile?

8Athi amadoda amakhulu aseGiliyadi kuYifeta, Kukho kaloku le nto sibuyela kuwe, ukuba uhambe nathi, ulwe noonyana baka-Amon, ube yintloko kuthi, kubemi bonke baseGiliyadi.

9Wathi uYifeta kumadoda amakhulu aseGiliyadi, Ukuba nithe nandibuyisa, ukuze ndilwe noonyana baka-Amon, uYehova wabanikela kum, mna ndoba yintloko kuni na?

10Athi amadoda amakhulu aseGiliyadi kuYifeta, UYehova makabe lingqina phakathi kwethu; inene siya kwenjenjalo ngokwelizwi lakho.

11Wahamba ke uYifeta namadoda amakhulu aseGiliyadi; abantu bammisa phezu kwabo, waba yintloko nomphathi. Wawathetha uYifeta onke amazwi akhe phambi koYehova eMizpa.

12UYifeta wasusa abathunywa, baya kukumkani woonyana baka-Amon, wathi, Yintoni na enam nawe, uzé kum nje ukuba ulwe nelizwe lam?

13Wathi ukumkani woonyana baka-Amon kubathunywa bakaYifeta, Kungokuba amaSirayeli alithabatháyo ilizwe lam, ukunyuka kwawo eYiputa, athabathela eArnon, esa eYabhoki, esa eYordan; libuyise ngoxolo kalokunje.

14UYifeta waphinda wathuma abathunywa kukumkani woonyaka baka-Amon,

15wathi kuye, Utsho uYifeta ukuthi, AmaSirayeli akalithabathanga ilizwe lakwaMowabhi, nelizwe loonyana baka-Amon;

16ngokuba ekunyukeni kwawo eYiputa amaSirayeli ahamba ngentlango, eza eLwandle oluBomvu, eza eKadeshe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17amaSirayeli athuma abathunywa kukumkani wakwaEdom, esithi, Makhe ndicande
ezweni lakho. Ke ukumkani wakwaEdom akaphulaphulanga. Athuma nakukumkani
wakwaMowabhi, naye akavumanga. Ahlala amaSirayeli eKadeshe.

18Ahamba entlango, alijikela ilizwe lakwaEdom nelizwe lakwaMowabhi, evela
ekuphumeni kwelanga; aya ezweni lakwaMowabhi, amisa ngaphesheya kweArnon,
àkangena emdeni wakwaMowabhi, ngokuba iArnon ngumda wakwaMowabhi.

19AmaSirayeli athuma abathunywa kuSihon, ukumkani wama-Amori, ukumkani
waseHeshbhon; athi amaSirayeli kuye, Makhe ndicande ezweni lakho, ndiye
endaweni yam.

20Ke uSihon akakholwa ngamaSirayeli, ukuba acande emdeni wakhe.
Wabahlanganisa uSihon bonke abantu bakhe, bamisa eYatsa, walwa namaSirayeli.

21UYehova, uThixo kaSirayeli, wamnikela uSihon nabantu bakhe bonke, esandleni
samaSirayeli. Ababulala, alihlutha amaSirayeli lonke ilizwe lama-Amori abehleli kweli
lizwe.

22Awuhlutha wonke umda wama-Amori, athabathela eArnon esa eYabhoki,
athabathela entlango esa eYordan.

23Kaloku uYehova, uThixo kaSirayeli, uwagqogqile ama-Amori phambi kwabantu
bakhe amaSirayeli. Ùya kulihlutha na ke wena?

24Akuhluthi elo na, akuhluthele lona uKemoshe uthixo wakho? Nathi síhluthe lonke
asihluthele lona uYehova uThixo wethu ebusweni bethu?

25Ngoku wena ulunge ngaphezu koBhalaki unyana kaTsipore, ukumkani
wakwaMowabhi, yini na? Wákha wabambana nokubambana na yena namaSirayeli,
wakha walwa nokulwa na yena nawo?

26Ekuhlaleni kwamaSirayeli eHeshbhon nasemagxamesini ayo, naseArohere
nasemagxamesini ayo, nasemizini yonke esemacaleni eArnon iminyaka emakhulu
mathathu, ibiyini na ukuba ningayihlanguli ngelo xesha?

27Mna andikonanga; nguwe ondenza into embi ngokulwa nam. UYehova uMgwebi
makagwebe namhla phakathi koonyana bakaSirayeli noonyana baka-Amon.

28Ukumkani woonyana baka-Amon akawaphulaphula amazwi kaYifeta
awawathumela kuye.

29UMoya kaYehova wamfikela uYifeta, wacanda eGiliyadi nakwaManase, wacanda
naseMizpa yaseGiliyadi; wesuka eMizpa yaseGiliyadi, wabangenela oonyana baka-
Amon.

30UYifeta wabhambathisa kuYehova isibhambathiso, wathi, Ukuba ùthe wabanikela
kanye oonyana baka-Amon esandleni sam, wóthi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

31osukuba ephuma emnyango wendlu yam, eza kundikhawulela ekubuyeni kwam
ngoxolo koonyana baka-Amon, abe ngokaYehova; ndimnyuse abe lidini elinyukayo.

32Wagqitha ke uYifeta, waya koonyana baka-Amon ukuba alwe nabo. Wabanikela
uYehova esandleni sakhe.

33Wababulala kakhulu kunene, kwathabathela eArohere kwada kwaya eMiniti, imizi
emashumi mabini, kwesa eAbhelekeramim. Bathotywa oonyana baka-Amon phambi
koonyana bakaSirayeli.

34Wafika uYifeta eMizpa endlwini yakhe; nantso intombi yakhe iphuma iza
kumkhawulela, inengqongqo ingqungqa; yaye ikuphéla komntwana wakhe,
ngaphandle kwayo wayengenanyana nantombi.

35Kwathi akuyibona, wazikrazulu iingubo zakhe, wathi, Yini na le, ntombi yam!
Ùndithobile kakhulu wena ungowabandihlisele intlekele Mna ndiwuvulile umlomo
wam kuYehova; andinakubuya umva.

36Yathi kuye, Bawo, ùwuvulile umlomo wakho kuYehova; yenza kum njengoko
kuphume emlonyeni wakho; okunje uYehova akwenzele impindezelo ezintshabeni
zakho, oonyana baka-Amon.

37Yathi kuyise, Mandenzelwe le ndawo; ndíyeke iinyanga zibe mbini, ndihambe
ndihle ndiye ezintabeni, ndililele ubuntombi bam, mna nabalingane bam.

38Wathi, Yiya. Wayindulula, yaya iinyanga ezimbini. Yaya yona nabalingane bayo,
yabulilela ubuntombi bayo ezintabeni.

39Kwathi, ekupheleni kweenyanga ezimbini, yabuya yeza kuyise, wasenzela kuyo
isibhambathiso sakhe, awayesibhambathisile; ke yona yayingazani nandoda. Yaba
lisiko kwaSirayeli ukuthi, imihla kamihla,

40iintombi zakwaSirayeli ziye ziyibonge intombi kaYifeta umGiliyadi, imihla eminé
ngomnyaka.

Abagwebi 12

AmaEfrayim axabana noYifeta

1Ahlatyelwa umkhosi eza amadoda akwaEfrayim, awela aya entla, athi kuYifeta,
Ibiyini na ukuba ugqithe uye kulwa noonyana baka-Amon, ungasibizanga sihambe
nawe? Siya kuyitshisa ngomlilo indlu yakho phezu kwakho.

2Wathi uYifeta kuwo, Mna bendingumfo wembambano, mna nabantu
bam besibambene kunene noonyana baka-Amon; ndanihlabela umkhosi,
anandisindisa esandleni sabo.

3Ndithe ndakubona ukuba anindisindisi, ndawenza isichenge umphefumlo wam,
ndawela ndaya koonyana baka-Amon; uYehova wabanikela esandleni sam. Kungani
na ukuba ninyuke namhla, nize kulwa nam?

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Wawabutha uYifeta onke amadoda aseGiliyadi, walwa namaEfrayim. Amadoda aseGiliyadi awabulala amaEfrayim, ngokuba ebesithi, Ningabasabileyo kumaEfrayim, nina maGiliyadi, phakathi kwamaEfrayim namaManase.

5AmaGiliyadi awaphangela amaEfrayim ngokuvingca amazibuko eYordan. Babesithi abasabileyo bakwaEfrayim bakuthi, Mandiwele, athi kuye amadoda aseGiliyadi, UngumEfrayim na? Ubesithi akuthi, Hayi, athi kuye,

6Khawuthi, Shibholete; wathi yena, Sibholete, engalungisi ukulibiza ngokwenjenjalo; asuke ambambe, amsike emazibukweni eYordan. Kwawa ke ngelo xesha kumaEfrayim amawaka angamashumi omané anamabini.

7UYifeta wawalawula amaSirayeli iminyaka yamithandathu. Wafa ke uYifeta umGiliyadi, wangcwatyelwa komnye wemizi yaseGiliyadi.

Abagwebi abathathu abancinane

8Emveni kwakhe wawalawula amaSirayeli uIbhetsan waseBhetelehem.

9Wayenoonyana abamashumi mathathu; waya kwendisa ngaphandle iintombi ezimashumi mathathu, wazekela oonyana bakhe iintombi ezimashumi mathathu ezivela ngaphandle. Wawalawula amaSirayeli iminyaka esixhenxe.

10Wafa ke uIbhetsan, wangcwatyelwa eBhetelehem.

11Emveni kwakhe wawalawula amaSirayeli uElon, umZebhulon; wawalawula amaSirayeli iminyaka elishumi.

12Wafa ke uElon umZebhulon, wangcwatyelwa eAyalon, ezweni lakwaZebhulon.

13Emveni kwakhe wawalawula amaSirayeli uAbhedon, unyana kaHileli, wasePiraton.

14Waye enoonyana abamashumi mané, noonyana boonyana abamashumi mathathu, abakhwela kumaesile amatsha amashumi asixhenxe. Wawalawula amaSirayeli iminyaka esibhozo.

15Wafa ke uAbhedon unyana kaHileli, wasePiraton, wangcwatyelwa ePiraton ezweni lakwaEfrayim, kweleentaba lama-Amaleki.

Abagwebi 13

Ukuzalwa kukaSamson

1Baphinda oonyana bakaSirayeli benza ububi emehlweni kaYehova. UYehova wabanikela esandleni samaFilisti iminyaka emashumi mané.

2Ke kaloku kwabakho ndoda ithile yaseTsora, yomlibo wamaDan, egama linguManowa, umkayo eludlolo, engazali.

3Kwabonakala isithunywa sikaYehova kumfazi lowo, sathi kuye, Yabona, uludlolo wena, akuzali; ke uya kumitha, uzale unyana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ke ngoko khawuzigcine, uze ungaseli wayini nasiselo sinxilisayo; ungadli nanye into eyinqambi.

5Ngokuba uyabona, uya kumitha, uzale unyana; isitshetshe sokucheba asiyi kusondezwa entlokweni yakhe; ngokuba le nkwenkwe iya kuba ngumahlulwa kaThixo kwasesizalweni. Yiyo ke eya kuqala ukuwasindisa amaSirayeli esandleni samaFilisti.

6Weza lo mfazi, wathi kwindoda yakhe, Kufike kum umntu kaThixo, imbonakalo yakhe injengembonakalo yesithunywa sikaThixo, isoyikeka kunene; kodwa andimbuzanga apho avela khona, naye akandixelelanga igama lakhe.

7Wathi kum, Uyabona, uya kumitha, uzale unyana; ke ngoko uze ungaseli wayini nasiselo sinxilisayo, ungadli nanye into eyinqambi; ngokuba le nkwenkwe iya kuba ngumahlulwa kaThixo, kwasesizalweni, kude kube ngumhla wokufa kwayo.

8Wathandaza ke uManowa kuYehova, wathi, Camagu, Nkosi yam; umntu kaThixo owamthumayo makakhe abuye eze kuthi, asifundise ukuba simthini na umntwana oya kuzalwa.

9Waliphulaphula uThixo izwi likaManowa; sabuya seza ke isithunywa sikaYehova kumfazi lowo ehleli entsimini, uManowa indoda yakhe ingenaye.

10Wakhawuleza umfazi, wagidima, wayixelela indoda yakhe, wathi kuyo, Yabona, ubonakele kum laa mntu ubezé kum laa mhla.

11Wesuka ke uManowa, wamlandela umkakhe, waya kuloo mntu, wathi kuye, Ungulaa mntu na ubethetha nomfazi?

12Wathi, Ndinguye. Wathi uManowa, Ukuba lithe lenzeka kaloku ilizwi lakho, lóba yintoni na isiko lale nkwenkwe, nokwenza kwayo?

13Sathi isithunywa sikaYehova kuManowa, Konke endikuthethileyo kumfazi makazigcine kuko.

14Maze angadli nto iphuma emdiliyeni, angaseli wayini nasiselo sinxilisayo, angadli nanye into eyinqambi. Konke endimwisele umthetho ngako makakugcine.

15Wathi uManowa kwisithunywa sikaYehova, Makhe sikubambezele, sikwenzele itakane itakane lebhokhwe.

16Sathi isithunywa sikaYehova kuManowa, Nokuba undibambezele, andiyi kudla ekudleni kwakho; ke ukuba wenza idini elinyukayo kuYehova, linyuse. Ngokuba uManowa ebengazi ukuba sisithunywa sikaYehova.

17Wathi uManowa kwisithunywa sikaYehova, Ungubani na igama; sikuzùkise lakwenzeka ilizwi lakho?

18Sathi kuye isithunywa sikaYehova, Yini na le nto ulibuzayo igama lam, libalulekile nje?

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Wathabatha uManowa itakane lebhokhwe nomnikelo wokudla, wazinyusa kuYehova eweni; sona sisenza ngokumangalisayo, bebonela uManowa nomkakhe.

20Kwathi, ekunyukeni kwelangatye esibingelelweni, lisinga ezulwini, senyuka isithunywa sikaYehova ngelangatye lesibingelelo, uManowa nomkakhe bebona. Bawa ngobuso emhlabeni.

21Àsaba saphinda sibonakale isithunywa sikaYehova kuManowa nomkakhe. Wandula ukwazi uManowa ukuba sisithunywa sikaYehova esi.

22Wathi uManowa kumkakhe, Siya kufa ngenene, ngokuba simbonile uThixo.

23Wathi umkakhe kuye, Ukuba uYehova ubefuna ukusibulala, angé engalamkelanga esandleni sethu idini elinyukayo, nomnikelo wokudla; angé engasibonisanga zonke ezi zinto; angé engasivisanga okunje ngexesha elinjengeli.

24Wazala unyana umfazi lowo, wathi igama lakhe nguSamson. Yakhula ke inkwenkwe leyo, uYehova wayisikelela.

25Waqala uMoya kaYehova wamqhuba eseMahane-dan, phakathi kweTsora ne-Eshtawoli.

Abagwebi 14

Umtshato kaSamson

1Wehla uSamson waya eTimnata, wabona inkazana eTimnata, ezintombini zamaFilisti.

2Wenyuka, waxelela uyise nonina, wathi, Ndiboné inkazana eTimnata, ezintombini zamaFilisti; kaloku ke ndizekeleni ibe ngumfazi.

3Bathi kuye uyise nonina, Akukho nkazana ezintombini zabazalwana bakho, nasebantwini bakowethu bonke na, ukuba nje ude uye kuzeka umfazi kumaFilisti angalukileyo? Wathi uSamson kuyise, Ndízekele yona, ngokuba ndikholiwe yiyo.

4Uyise nonina babengazi ukuba ivela kuYehova le nto; ngokuba ebefuna ithuba lokubambana namaFilisti. Ngelo xesha amaFilisti ebelawula kwaSirayeli.

5Wehla uSamson noyise nonina, baya eTimnata, bafika ezidiliyeni zaseTimnata; nantso ingonyama entsha imkhawulela, igquma.

6Wamfikela ngamandla uMoya kaYehova, wayiqwenga, wanga uqwenga itakane, kungekho nto esandleni sakhe; akakuxela kuyise nakunina akwenzileyo.

7Wehla wathetha nenkazana leyo; yamkholisa kunene uSamson.

8Wabuya kwakuba ntsuku, esiya kuyizeka. Watyeka, wakhangela isidumbu sengonyama leya; nalo ibubu leenyosi lisesidumbini sengonyama, kukho nobusi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wabuthabatha, waphatha ngesandla, wahamba, wahamba esidla, waya kuyise nonina, wabanika, badla; akabaxelela ukuba ubusi ubuthabathe esidumbini sengonyama.

10Wehla ke uyise waya kuloo nkazana; uSamson wenza umsitho khona; ngokuba abesenjenjalo amadodana.

11Kwathi, bakumbona, bazisa abalingane abangamashumi omathathu, baba naye.

12Wathi uSamson kubo, Ndonijikela iqhina; ukuba nithe nandicombululela ngeentsuku ezisixhenxe zomsitho, nalifumana, ndoninika iingubo zelinen entle ezingamashumi amathathu, neengubo zokukhululana ezingamashumi omathathu.

13Ke ukuba anithanga nibe nako ukundicombululela, nondinika nina iingubo zelinen entle ezingamashumi amathathu, neengubo zokukhululana ezingamashumi omathathu. Bathi kuye, Lijike iqhina lakho silive.

14Wathi kubo, Kodlayo kwaphuma ukudla, Konamandla kwaphuma incasa. Ababa nako ukulicombulula iqhina imihla emithathu.

15Kwathi ngosuku lwesixhenxe bathi kumkaSamson, Yirhwebeshe indoda yakho, isicombululele iqhina, hleze sikutshise wena nendlu kayihlo ngomlilo. Nisimeméle ukuba nisihlwempuzise na? Akunjalo na?

16UmkaSamson wamlilela wathi, Kodwa undithiyile, akundithandi; ubajikele iqhina oonyana babantu bakowethu, akwandicombululela. Wathi kuye, Yabona, andibacombululelanga ubawo noma; ndícombululele wena na?

17Ke wamlilela iintsuku zosixhenxe ababesemsithweni ngazo. Kwathi ngolwesixhenxe usuku wamcombululela, kuba ebemxinile. Waza yena wabaxela oonyana babantu bakowabo.

18Athi kuye amadoda aloo mzi ngomhla wesixhenxe, lingekatshoni ilanga, Yintoni na enencasa ngaphezu kobusi? Yintoni na enamandla ngaphezu kwengonyama? Wathi kuwo, Ukuba beningalimanga ngethokazi lam, Ngeningalifumananga iqhina lam.

19Wamfikela ngamandla uMoya kaYehova, wehla waya eAshkelon, wabulala kubo apho amashumi omathathu amadoda, wawahluba iingubo, wanika abacombululi beqhina elo iingubo zokukhululana. Wavutha umsindo wakhe, wenyuka waya endlwini kayise.

20Ke umkaSamson waba ngowomlingane wakhe, abemenze isihlobo sakhe.

Abagwebi 15

USamson ubulala amaFilisti

1Kwathi kwakuba ntsuku, ngemihla yokuvuna ingqolowa, uSamson wamvelela umkakhe, enetakane lebhokhwe; wathi, Ndiya kungena kumkam egumbini. Ke uyise womfazi ebengamvumeli ukuba angene.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Wathi uyise womfazi, Bendiba umthiyile ngenene, ndamnika umlingane wakho. Akamhle na umsakwabo kunaye? Makabe ngowakho esikhundleni sakhe.

3Wathi uSamson kubo, Ndimsulwa okwesi sihlandlo kumaFilisti, xa ndithe ndenza ububi kuwo.

4Waya uSamson wabamba amakhulu omathathu eempungutye, wathabatha izikhuni ezivuthayo, waziqhagamshela ngemisila, wafaka isikhuni sasinye phakathi kwayo.

5Walumeka ngomlilo ezikhunini, wazindulula zaya engqoloweni yamaFilisti engekavunwa; watshisa, ethabathela ezitheni, wesa engqoloweni engekavunwa, wesa emiyezweni yeminquma.

6Athi amaFilisti, Ngubani na lo wenzé oku? Bathi, NguSamson, umyeni womTimnata; ngokuba emthabathile umkakhe, wamnika umlingane wakhe. Enyuka amaFilisti, amtshisa yena noyise ngomlilo.

7Wathi uSamson kuwo, Ukuba nenjenje, inene, ndiya kuziphindezelela kuni, ndandule ukupheza.

8Wawaxabela kakhulu ihleza nethangá; wehla ke, wahlala emqhokrweni wengxondorha yase-Etam.

9Enyuka amaFilisti, amisa kwaYuda, ákha uluhlu eLehi.

10Athi amadoda akwaYuda, Yini na ukuba ninyuke nize phezu kwethu? Athi wona, Sinyuke seza kukhonkxa uSamson, senze kuye njengoko enze ngako kuthi.

11Ehla amadoda angamawaka amathathu, evela kwaYuda, aya emqhokrweni wengxondorha yase-Etam, athi kuSamson, Akwazi na ukuba amaFilisti ayasilawula? Yintoni na le usenzé yona? Wathi kuwo, Njengoko enze ngako kum, ndenzé ngako nam kuwo.

12Athi kuye, Sihlé, sizé kukukhonkxa, ukuba sikunikele esandleni samaFilisti. Wathi uSamson kuwo, Ndifungeleni, ukuba aniyi kundibulala ngokwenu.

13Athi kuye, Siya kukukhonkxa sikuqinise, sikunikele esandleni sawo; ukukubulala, asiyi kukubulala. Amkhonkxa ngezintya ezintsha ezimbini, amnyusa engxondorheni.

14Weza eLehi; amaFilisti amkhawulela eduma. Wamfikela ngamandla uMoya kaYehova; izintya ebezisemikhonweni yakhe zaba njengeflakisi etshe ngumlilo, amakhamandela akhe acombuluka ezandleni zakhe.

15Wafumanana nomhlathi omtsha we-esile, wasolula isandla, wawuthabatha, wabulala ngawo iwaka lamadoda.

16Wathi uSamson, Ngomhlathi we-esile zizigigaba ngezigigaba; Ngomhlathi we-esile ndisiké iwaka lamadoda. Kwathi, akugqiba ukuthetha, wawulahla umhlathi esandleni sakhe,

© 1975 Bible Society of South Africa.

17wathi loo ndawo yiRamati-lehi.

18Wanxanwa kakhulu, wanqula uYehova, wathi, Wena uniké ngesandla somkhonzi wakho usindiso olungaka; kanti nanku ndiya kufa linxano, ndeyele esandleni sabangalukanga.

19Wawucanda uThixo umgongxo oseLehi; kwaphuma amanzi kuwo. Wasela, wabuya umoya wakhe, waphila ke. Ngenxa yoko wathi igama laloo ndawo nguMthombo woMnquli, oseLehi unanamhla.

20Wawalawula amaSirayeli ngemihla yamaFilisti iminyaka emashumi mabini.

Abagwebi 16

USamson umka nawo amasango aseGaza

1-2USamson waya eGaza, wabona khona inkazana elihenyukazi, wayilala. Kwathiwa kwabaseGaza, USamson ungene apha. Bamrhawula, bamlalela ubusuku bonke esangweni lomzi; bathi cwaka ubusuku bonke, besithi, Kwakusa ngomso sombulala.

3Walala uSamson kwada kwaba phakathi kobusuku. Wavuka phakathi kobusuku, wabambelela ezingcangweni zesango lomzi, nasemigubasini yomibini, wayincothula inomvalo; wayibeka emagxeni akhe, wayithwalela encotsheni yentaba phambi kweHebron.

USamson nobunyoka bukaDelila

4Kwathi emveni koko, wathanda inkazana esihlanjeni saseSoreki, igama layo linguDelila.

5Zenyuka zaya kuyo izikhulu zamaFilisti, zathi kuyo, Mrhwebeshe, ubone ukuba asenini na la mandla akhe angaka, nokuba singámeyisa ngantoni na, simkhonkxe ukuze simthobe; sokunika thina elowo iwaka elinekhulu lesilivere.

6Wathi uDelila kuSamson, Khawundixelele ukuba asenini na la mandla akho angaka, nokuba ungakhónkxwa ngantoni na, ukuze uqotywe?

7Wathi uSamson kuye, Ukuba bathe bandibopha ngeentambo ezisixhenxe ezintsha ezingomanga, ndothi fehle, ndibe njengomnye umntu.

8Izikhulu zamaFilisti zenyuka, zamzisela iintambo ezisixhenxe ezintsha ezingomanga; wamkhonkxa ngazo.

9Ke abalaleli babehleli naye egumbini. Wathi umkakhe kuye, AmaFilisti aphezu kwakho, Samson. Wazijaca iintambo, kwanga kukujaceka kwentsontelo yeflakisi yakuva umlilo; àkaziwa ke amandla akhe.

10Wathi uDelila kuSamson, Yabona, udlale ngam, wandixokisa; khawundixelele kaloku ukuba ungakhónkxwa ngantoni na.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Wathi kuye, Ukuba bathe ukundikhonkxa bandikhonkxa ngeentsontelo ezintsha, ekungasetyenzwanga msebenzi ngazo, ndothi fehle, ndibe njengomnye umntu.

12UDelila wathabatha iintsontelo ezintsha, wamkhonkxa ngazo, wathi kuye, AmaFilisti aphezu kwakho, Samson. Ke abalaleli babehleli egumbini. Wazijaca emikhonweni yakhe njengomsonto.

13Wathi uDelila kuSamson, Udlale ngam unangoku, undixokisa; ndíxelele, ungakhónkxwa ngantoni na? Wathi kuye, Ukuba uthe waluka izihlwitha ezisixhenxe zentloko yam ngemisonto yokuluka.

14Waziqinisa ngesikhonkwane, wathi kuye, AmaFilisti aphezu kwakho, Samson. Wavuka ebuthongweni bakhe, wasincothula isikhonkwane sokuluka kwanemisonto yaso.

15Wathi kuye, Ungáthini na ukuthi ùyandithanda, ukanti intliziyo yakho ayinam? Undikhohlisile ezi zihlandlo zozithathu, akwandixelela ukuba asenini na la mandla akho angaka.

16Kwathi, akumxina ngamazwi akhe zonke iimini, emmele, wakhathazeka umphefumlo wakhe, wasingisa ekufeni.

17Wamxelela intliziyo yakhe yonke, wathi kuye, Isitshetshe sokucheba asizanga sisondele entlokweni yam; ngokuba ndingumahlulwa kaThixo kwasesizalweni sikama. Ukuba ndithe ndachetywa, osuka kum amandla am, ndithi fehle, ndibe njengabantu bonke.

18Wabona uDelila ukuba umxelele yonke intliziyo yakhe, wathumela wabiza izikhulu zamaFilisti, esithi, Nyukani esi sihlandlo, ngokuba úndixelele yonke intliziyo yakhe. Zenyuka ke zaya kuye izikhulu zamaFilisti, zenyuka zinemali esandleni sazo.

19Wamlalisa emathangéni akhe, wabiza umntu, wazicheba izihlwitha zosixhenxe zentloko yakhe, waqala ke ukumqoba; emka ke amandla akhe kuye.

20Wathi, AmaFilisti aphezu kwakho, Samson. Wavuka ebuthongweni, wathi, Ndiya kuphuma esi sihlandlo njengezinye izihlandlo, ndizivuthulule. Wayengazi yena, ukuba uYehova umkile kuye.

21Ambamba amaFilisti, amkrukra amehlo; ehla naye aya eGaza, amkhonkxa ngamakhamandela obhedu amabini, waba ngumsili endlwini yamakhonkxwa.

22Zaqala iinwele zentloko yakhe zahluma, emva kokuba wayechetyiwe.

Ukufa kukaSamson

23Izikhulu zamaFilisti zahlanganiselwa ukuba zibingelele umbingelelo omkhulu kuDagon uthixo wazo, zivuye; zathi, Uthixo wethu umnikele esandleni sethu uSamson, utshaba lwethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Bambona abantu, badumisa uthixo wabo; ngokuba bebesithi, Uthixo wethu ulunikele esandleni sethu utshaba lwethu, umtshabalalisi welizwe lethu, obenzé babaninzi ababuleweyo kuthi.

25Kwathi, xa intliziyo yabo ichwayithileyo, bathi, Bizani uSamson, asihlekise. Bambiza ke uSamson endlwini yamakhonkxwa; waphuma wahlekisa phambi kwabo. Bammisa phakathi kweentsika.

26Wathi uSamson kumfana ombambe ngesandla, Ndiyeke, ndizive iintsika emi ngazo indlu, ndayame ngazo.

27Ke indlu ibizele ngamadoda nabafazi; zibe zikhona zonke izikhulu zamaFilisti; phezu kophahla kwakuhleli amawaka omathathu amadoda nabafazi, bebonela ukuhlekisa kukaSamson.

28USamson wanqula uYehova wathi, Nkosi yam, Yehova, khawundikhumbule, khawundomeleze okwesi sihlandlo sodwa, Thixo; ndiphindezèle kumaFilisti impindezelo nokuba inye ngenxa yamehlo am omabini.

29Waziwola uSamson zombini iintsika eziphakathi, emi ngazo indlu leyo, wacinezela kuzo, enye ngesandla sokunene, enye ngesokhohlo.

30Wathi uSamson, Mandife namaFilisti. Wathoba ngamandla; yawa indlu phezu kwezikhulu, naphezu kwabantu bonke ababekuyo. Bathi abafi, awababulala ekufeni kwakhe, baba baninzi kunabafi awababulala esaphilile.

31Behla abazalwana bakhe nendlu kayise yonke, bamthabatha, bamnyusa, bamngcwabela phakathi kweTsora ne-Eshtawoli, engcwabeni likaManowa uyise. Wawalawula yena amaSirayeli iminyaka emashumi mabini.

Abagwebi 17

UMika nomfanekiso wakhe oqingqiweyo

1Kwaye kukho indoda yelasezintabeni zakwaEfrayim egama linguMika.

2Yathi kunina, Iwaka lesilivere elinakhulu-nye elalithatyathwe kuwe, owashwabula ngenxa yalo, kananjalo wathetha ngalo ezindlebeni zam, yabona, isilivere leyo inam; yathatyathwa ndim. Wathi unina, Ùsikelelwe, nyana wam, nguYehova.

3Walibuyisela kunina iwaka lesilivere elinakhulu-nye. Wathi unina, Ndiyingcwalisile yonke isilivere leyo kuYehova; iphuma esandleni sam ukuba ibe yeyonyana wam, enze umfanekiso oqingqiweyo nomtyhido; ndiyibuyisela kuwe ke ngoko.

4Wayibuyisela ke kunina isilivere. Wawathabatha unina amakhulu omabini esilivere, wawanika umnyibilikisi, wenza ngawo umfanekiso oqingqiweyo nomtyhido; waba sendlwini kaMika.

5Indoda leyo inguMika ibinendlu yoothixo, yayenze iefodi nemilondekhaya; yayimisele omnye koonyana bayo, waba ngumbingeleli wayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ngaloo mihla bekungekho kumkani kwaSirayeli; elowo wenza oko kuthe tye emehlweni akhe.

7Ke kaloku kwakukho umfana waseBhetelehem yakwaYuda, wasemlibeni wakwaYuda, ongumLevi, engumphambukeli khona.

8Yahamba indoda leyo, isuka kuloo mzi eBhetelehem yakwaYuda, yaya kuphambukela apho ingafumana indawo. Yafika kweleentaba lakwaEfrayim endlwini kaMika, ihamba uhambo lwayo.

9Wathi uMika kuyo, Uvela phi na? Yathi kuye, NdingumLevi waseBhetelehem yakwaYuda; ndiya kuphambukela apho ndingafumana indawo.

10Wathi uMika kuyo, Hlala nam, kum ube ngubawo nombingeleli; ndokunika mna ishumi lesilivere ngomnyaka, ndikuxhase ngento eziingubo nekukudla. Waya ke umLevi lowo.

11Kwakholeka kumLevi ukuhlala nale ndoda. Loo mfana waba njengomnye woonyana bayo kuyo.

12Wammisela uMika umLevi lowo, waba ngumbingeleli kuye umfana lowo; waba sendlwini kaMika.

13Wathi uMika, Kaloku ndiyazi ukuba uYehova uya kundenzela okulungileyo; ngokuba ndinombingeleli ongumLevi.

Abagwebi 18

AmaDan afuna ilifa

1Ngaloo mihla kube kungekho kumkani kwaSirayeli. Ngaloo mihla isizwe sakwaDan besizifunela ilifa lendawo yokuhlala; ngokuba kwada kwanguloo mhla, sibe sona singabelwanga lifa ngeqashiso, phakathi kwesizwe sakwaSirayeli.

2Oonyana bakaDan besusa kumlibo wakowabo amadoda amahlanu, evela kwinani lawo lonke, amadoda anobukroti aseTsora nase-Eshtawoli, ukuba alihlole ilizwe, aligocagoce. Bathi kuwo, Hambani niligocagoce ilizwe. Afika kweleentaba lakwaEfrayim endlwini kaMika, alala khona.

3Akubona ukuba angasendlwini kaMika, alifanisa ilizwi lendodana engumLevi, aphambukela khona, athi kuye, Ùziswe ngubani na apha? Wenza ntoni na kule ndawo? Ungantoni na apha?

4Yathi kuwo, Wenjenje, wenjenje uMika kum; wandiqesha, ndaba ngumbingeleli kuye.

5Athi kuyo, Khawubuze kuThixo, sazi ukuba iya kuba nempumelelo na indlela yethu esihambela yona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi umbingeleli kuwo, Hambani ninoxolo, iphambi koYehova indlela yenu eniya kuhamba ngayo.

7Ahamba ke amadoda amahlanu afika eLayishe; ababona abantu abaphakathi kwayo, behleli bonwabile ngokwesiko lamaTsidon, bezolile, bonwabile; kungekho uwona nganto kubaphathi belo zwe; babekude kumaTsidon, bengatheni nabani.

8Afika kubazalwana bawo eTsora nase-Eshtawoli. Bathi abazalwana bawo kuwo, Nitheni na?

9Athi, Sukani, sinyuke siye kubo; ngokuba silibonile ilizwe; nalo lilihle kunene, ke nithe quthu. Musani ukunqena ukuhamba, niye kulihlutha ilizwe elo.

10Xa nithe nafika, nofika kubantu abonwabileyo, kwilizwe eliphangaleleyo ngamacala omabini; ngokuba uThixo ulinikele ezandleni zenu, indawo apho kungàsweleke nanye into esehlabathini.

AmaDan amphanga uMika umfanekiso wakhe oqingqiweyo azenzele isithixo

11Kwanduluka ke kumlibo wakwaDan, eTsora nase-Eshtawoli, amadoda angamakhulu omathandathu, exhobe iimpahla zemfazwe.

12Enyuka ke, amisa eKiriyati-yeharim yakwaYuda; ngenxa yoko bathi loo ndawo yiMahane yakwaDan unanamhla. Nantso isemva kweKiriyati-yeharim.

13Agqitha aya kweleentaba lakwaEfrayim, afika endlwini kaMika.

14Ke kaloku aphendula amadoda amahlanu, abezé kulihlola ilizwe laseLayishe, athi kubazalwana bawo, Niyazi na ukuba kwezi zindlu kukho iefodi, nemilonde-khaya, nomfanekiso oqingqiweyo, nomtyhido? Ke ngoko kuqondeni eniza kukwenza.

15Aphambukela khona, angena endlwini yendodana engumLevi, endlwini kaMika, ayibuza ukuphila kwayo.

16Athi amadoda angamakhulu amathandathu axhobe iimpahla zemfazwe, akoonyana bakwaDan, ema ekungeneni kwesango.

17Anyuka la madoda mahlanu abeye kulihlola ilizwe, aya khona, awuthabatha umfanekiso oqingqiweyo, ne-efodi, nemilonde-khaya, nomtyhido; waye umbingeleli lowo emi ekungeneni kwesango namadoda angamakhulu amathandathu axhobe iimpahla zemfazwe.

18Akuba lawa engene endlwini kaMika, ewuthabathile umfanekiso oqingqiweyo, iefodi, nemilonde-khaya, nomtyhido, uthe umbingeleli kuwo, Nenzani?

19Athi kuye, Yithi tu, beka isandla sakho emlonyeni wakho, uhambe nathi, ube ngubawo nombingeleli kuthi. Kulungile na ukuba ube ngumbingeleli wendlu yamntu mnye, kunokuba ube ngumbingeleli wesizwe nomzalwana kwaSirayeli?

© 1975 Bible Society of South Africa.

[20]Yachwayitha intliziyo yombingeleli, wayithabatha iefodi, nemilonde-khaya, nomfanekiso oqingqiweyo, weza phakathi kwabantu abo.

[21]Ajika ke, ahamba, azibeka iintsapho neemfuyo nezinto ezizukileyo phambi kwawo.

[22]Akuba kude nendlu kaMika wona, athi amadoda asezindlwini ezingakwekaMika indlu ahlabelana umkhosi, eza afumanana noonyana bakaDan.

[23]Amemeza koonyana bakaDan; baguquka ngobuso, bathi kuMika, Ùkhathazwa yini na, uhlaba umkhosi nje?

[24]Wathi yena, Oothixo bam endabenzayo nibathabathile, nemka naye nombingeleli wam; ndisenantoni na? Nitsho ngani na ke ukuthi kum, Ukhathazwa yini na?

[25]Bathi kuye oonyana bakaDan, Musa ukulivakalisa ilizwi lakho kuthi, hleze akugqibele amadoda amphefumlo ulugcalagcala, asuse umphefumlo wakho, nomphefumlo wendlu yakho.

[26]Bahamba ke ngendlela yabo oonyana bakaDan. Wabona uMika ukuba bomelele kunaye, wajika wabuyela endlwini yakhe.

[27]Bayithabatha ke bona into abeyenzile uMika, nombingeleli lowo abenaye; bafika eLayishe kubantu abazolileyo, abonwabileyo, bababulala ngohlangothi lwekrele, bawutshisa umzi ngomlilo.

[28]Bekungekho mhlanguli, ngokuba bekude nowaseTsidon, bengatheni nabani, besentilini esingise eBhete-rehobhi. Bakha umzi, bahlala khona.

[29]Bathi igama laloo mzi ngowakwaDan, ngegama likaDan uyise, owazalelwa uSirayeli; kodwa igama laloo mzi libe liyiLayishe ngenxa engaphambili.

[30]Baza oonyana bakaDan bazimisela umfanekiso oqingqiweyo lowo; uYonatan unyana kaGershom, unyana kaManase, yena noonyana bakhe baba ngababingeleli esizweni sakwaDan, kwada kwayimini yokuthinjwa kwelizwe.

[31]Bazimisela ke umfanekiso oqingqiweyo kaMika abewenzile, yonke imihla ebiseseShilo indlu kaThixo.

Abagwebi 19

Ihlazo laseGibheha

[1]Kwathi ngaloo mihla, kungekho kumkani kwaSirayeli, kwabakho indoda engumLevi ephambukele emathambekeni akwaEfrayim, yazeka umfazi olishweshwe eBhetelehem yakwaYuda.

[2]Lahenyuza likuyo ishweshwe layo, lemka kuyo, laya endlwini yoyise walo eBhetelehem yakwaYuda, laba khona imihla eziinyanga eziné.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Yesuka indoda yalo yaliphuthuma, ukuba ithethe kakuhle nalo ilibuyise, inomfana namaesile amabini. Layingenisa endlwini yoyise walo. Wayibona uyise wentombazana leyo, wakuvuyela ukuhlangana nayo.

4Wayigcina uyise womfazi, uyise wentombazana leyo; yahlala naye imihla yamithathu, badla, basela, balala khona.

5Kwathi ngomhla wesiné, bavuka kusasa; yesuka yona ukuba imke. Wathi uyise wentombazana kumyeni wayo, Khawuxhase intliziyo yakho ngeqhekeza lesonka, nandule ukuhamba.

6Bahlala ke badla bobabini ndawonye, basela. Wathi uyise wentombazana kwindoda, Makhe kukholeke kuwe, ulale, ichwayithe intliziyo yakho.

7Yesuka indoda leyo ukuba ihambe; wayijoka uyise womkayo, yabuya yalala khona.

8Yavuka kusasa ngomhla wesihlanu ukuba ihambe. Wathi uyise wentombazana, Khawuxhase intliziyo yakho, nizilazile ide ijike imini; badla ke bobabini.

9Yesuka indoda ukuba imke, yona neshweshwe layo nomfana wakuyo. Wathi kuyo uyise womkayo, uyise wentombazana, Khawukhangele, imini iyemka, kuyahlwa; khanilale; yabona, imini isangene; lala apha, ichwayithe intliziyo yakho, nivuke kusasa ngomso, nihambe ngendlela yenu, uye ententeni yakho.

10Àyavuma ukulala indoda leyo, yesuka yemka; yafika malungana neYebhusi (yiYerusalem ke leyo), inamaesile amabini ebotshiwe, ineshweshwe layo.

11Xa babengaseYebhusi, imini yayise ithambamile kakhulu. Wathi umfana kwinkosi yakhe, Khawuze siphambukele kulo mzi wamaYebhusi, silale kuwo.

12Yathi kuye inkosi yakhe, Asiyi kuphambukela apha kumzi wolunye uhlanga, ongengowoonyana bakaSirayeli; sodlula siye eGibheha.

13Yathi kumfana wakuyo, Yiza, sisondele kweny indawo, silale; nokuba kuseGibheha, nokuba kuseRama.

14Bagqitha, bahamba; batshonelwa lilanga ecaleni laseGibheha yakwaBhenjamin.

15Baphambukela apho, baya kulala eGibheha; yafika yahlala endaweni yokubutha kwamadoda omzi; akwabakho mntu ubamkelela endlwini yakhe, ukuba balale.

16Kwathi thu indoda enkulu ivela emsebenzini wayo emasimini, ngokuhlwa; iyindoda yelasezintabeni lakwaEfrayim, ingumphambukeli eGibheha. Ke amadoda aloo mzi abengamaBhenjamin.

17Yawaphakamisa amehlo ayo, yabona ndoda ingumhambi endaweni yokubutha kwamadoda omzi, yathi indoda enkulu leyo, Ùya ngaphi na? Ùvela phi na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Yathi kuyo, Siyagqitha, sivela eBhetelehem yakwaYuda; siya emathambekeni akwaEfrayim; endingowakhona. Ndibe ndihambele eBhetelehem yakwaYuda, ngoku ndihambela endlwini kaYehova. Akukho bani ke undamkelela endlwini yakhe apha;

19kanti ke sinomququ kwaneendiza zamaesile ethu, nesonka newayini eyiyeyam, nomkhonzazana wakho, nomfana okubakhonzi bakho; akusweleke nto.

20Yathi indoda enkulu, Uxolo malube nawe; ke ukuswela kwakho konke makube phezu kwam; kodwa musa ukulala endaweni yokubutha kwamadoda omzi.

21Yayingenisa endlwini yayo, yawanika iindiza amaesile; bazihlamba iinyawo zabo, badla, basela.

22Bakubon' ukuba bayazichwayithisa iintliziyo zabo, nango amadoda aloo mzi, amadoda angamatshijolo, eyirhawula indlu leyo, emana enkqonkqoza elucangweni; atsho kwindoda enkulu engumninindlu ukuthi, Yikhuphe indoda engene endlwini yakho, siyàzi.

23Yaphuma indoda engumninindlu, yaya kuwo, yathi kuwo, Hayi, bazalwana bam, hayi, musani ukukha nenze into embi. Emveni kokuba le ndoda ingene endlwini yam, musani ukwenza obu budenge.

24Nantsi intombi yam eyintombi, neshweshwe lale ndoda; makhe ndikhuphe bona, nibone, nenze kubo okulungileyo emehlweni enu; ke kule ndoda ze ningenzi nto yobu budenge.

25Akavuma loo madoda ukumphulaphula. Yalibamba indoda ishweshwe layo, yalikhuphela phandle kuwo; alazi, afeketha ngalo bonke ubusuku kwada kwasa; alindulula ngesifingo.

26Yafika inkazana leyo xa kusayo, yawa emnyango wendlu yendoda apho yayikhona inkosi yayo, kwada kwamhlophe.

27Yavuka inkosi yayo kusasa, yazivula iingcango zendlu, yaphuma ukuba ihambe ngendlela yayo; nantso le nkazana ilishweshwe layo iwile emnyango waloo ndlu, nezandla zayo zisembundwini wawo.

28Yathi kuyo, Vuka sihambe; ayaphendula. Yayithabatha yayibeka phezu kwe-esile; yesuka loo ndoda, yasinga endaweni yayo.

29Yafika endlwini yayo, yathabatha isitshetshe, yalibamba ishweshwe layo, yalityatya ngokwamathambo alo laziinyama ezilishumi elinambini, yalithumela kuyo yonke imida yakwaSirayeli;

30ukuze bonke ababona oko bathi, Okunje akuzanga kubekho; akuzanga kubonwe kususela kumhla abanyuka ngawo oonyana bakaSirayeli ezweni laseYiputa, unanamhla; kubekeleni iintliziyo zenu oku, nicebe, nithethe.

Abagwebi 20

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukuphindezelwa kwehlazo ngokubulawa kwamaBhenjamin

1Baphuma ke bonke oonyana bakaSirayeli, labizelwa ndawonye lonke ibandla njengandoda-nye, lathabathela kwaDan lesa eBher-shebha, nelizwe laseGiliyadi, laya kuYehova eMizpa.

2Zema izibonda zabantu bonke, zezizwe zonke zakwaSirayeli, ebandleni labantu bakaThixo, abangamawaka angamakhulu amané amadoda angumqikela arhola ikrele.

3Beva oonyana bakaBhenjamin, ukuba oonyana bakaSirayeli benyukile beza eMizpa. Bathi oonyana bakaSirayeli, Thethani; itheni na ukubakho le nto inje ukuba mbi?

4Yaphendula indoda leyo, ingumLevi, indoda yaloo nkazana incinithiweyo, yathi, Ndafika eGibheha ekwaBhenjamin, mna neshweshwe lam, salalisa khona.

5Abemi baseGibheha bandivunukela, bayirhawula indlu ngenxa yam ebusuku; bagqiba kwelokundibulala; balidlwengula ishweshwe lam, lafa.

6Ndalibamba ishweshwe lam, ndalityatya, ndalithumela kwilizwe lonke lelifa lakwaSirayeli; ngokuba benzé amanyala nobudenge kwaSirayeli.

7Nanko ke nina nonke, nyana bakaSirayeli; khuphani ilizwi necebo apha.

8Besuka bonke abantu njengandodanye, bathi, Asiyi kuya elowo ententeni yakhe, asiyi kuphambukela elowo endlwini yakhe;

9ke ngoko, nantsi into esiya kwenza yona kwiGibheha; siya kwenza kuyo ngokweqashiso,

10sithabathe ishumi lamadoda ekhulwini ezizweni zonke zakwaSirayeli, ikhulu ewakeni, iwaka emawakeni alishumi, ukuya kuthabathela abantu umphako; ukuze ekufikeni kwabo eGibheha yakwaBhenjamin, bohlwaywe njengokobudenge bonke ababenzileyo kwaSirayeli.

11Ahlanganisana ke onke amadoda akwaSirayeli kuloo mzi, ebandakanyiwe njenganoda-nye.

12Izizwe zakwaSirayeli zathuma amadoda kwimizalwane yonke yakwaBhenjamin, zisithi, Bububi buni na obu, benziweyo phakathi kwenu?

13Sinikeleni kalokunje loo madoda angamatshijolo aseGibheha, siwabulale, sibutshayele ububi bungabikho kwaSirayeli. Àbavuma ke oonyana bakaBhenjamin ukuliphulaphula izwi labazalwana babo, oonyana bakaSirayeli.

14Oonyana bakaBhenjamin bahlanganisana eGibheha, bephuma emizini besiya kulwa noonyana bakaSirayeli.

15Babàlwa oonyana bakaBhenjamin ngaloo mhla, bephuma emizini; baba ngamadoda angamashumi amabini anamathandathu amawaka arhola ikrele,

© 1975 Bible Society of South Africa.

ngaphandle kwabemi baseGibheha, ababalwáyo baba ngamadoda ahleliweyo angamakhulu asixhenxe.

16Kwaba bantu bonke bekukho amakhulu asixhenxe amadoda ahleliweyo angamanxele, onke enokusawula ngelitye, achane angaphosi.

17Ke amadoda akwaSirayeli, ngaphandle kwamaBhenjamin, abebalwe aba ngamawaka angamakhulu amané amadoda arhola ikrele; onke lawo ingamadoda okulwa.

18Besuka, benyuka baya eBheteli, babuza kuThixo. Bathi oonyana bakaSirayeli, Makunyùke bani na kuthi, aqale ukulwa noonyana bakaBhenjamin? Wathi uYehova, Makuqale uYuda.

19Besuka oonyana bakaSirayeli kusasa, bayingqinga iGibheha.

20Aphuma amadoda akwaSirayeli, aya kulwa namaBhenjamin. Amadoda akwaSirayeli ákha uluhlu lokulwa nawo ngaseGibheha.

21Baphuma oonyana bakaBhenjamin eGibheha, bavunela phantsi ngaloo mini kumaSirayeli amashumi amabini anamabini amawaka amadoda.

22Bazomeleza abantu, amadoda akwaSirayeli, baphinda bákha uluhlu lokulwa, kwasendaweni ababakhé uluhlu kuyo ngomhla wokuqala.

23Benyuka oonyana bakaSirayeli, balila phambi koYehova, kwada kwahlwa. Babuza kuYehova, bathi, Ndiphínde na ndisondele ekulweni noonyana bakaBhenjamin, umzalwana wam? Wathi uYehova, Nyukani niye kubo.

24Basondela oonyana bakaSirayeli koonyana bakaBhenjamin ngomhla wesibini.

25Aphuma amaBhenjamin eGibheha, aya kubahlangabeza ngomhla wesibini, abuya avunela phantsi koonyana bakaSirayeli ishumi elinesibhozo lamawaka amadoda; onke lawo arhola ikrele.

26Benyuka bonke oonyana bakaSirayeli, bonke abantu, baya eBheteli, balila, bahlala khona phambi koYehova, bazila ukudla loo mini kwada kwahlwa, banyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo phambi koYehova.

27Babuza oonyana bakaSirayeli kuYehova (yayikhona ityeya yomnqophiso kaYehova ngaloo mihla;

28uPinehasi unyana kaElazare, unyana ka-Aron, emi phambi kwayo ngaloo mihla), besithi, Ndibùye ndiphinde, ndiphume ndiye kulwa noonyana bakaBhenjamin umzalwana wethu, ndiyeke, kusini na? Wathi uYehova, Nyukani, ngokuba ngomso ndiya kumnikela esandleni senu.

29AmaSirayeli abeka abalaleli eGibheha ngeenxa zonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Benyuka oonyana bakaSirayeli baya koonyana bakaBhenjamin ngomhla wesithathu, bákha uluhlu lokulwa eGibheha, njengokweminye imihla.

31Baphuma oonyana bakaBhenjamin, baya kubahlangabeza abantu, beqhawukene nomzi. Baqala ukubulala ebantwini njengokweminye imihla, emendweni, othi omnye unyuke uye eBheteli, uthi omnye uya eGibheha emaphandleni, bahlaba amadoda kwaSirayeli, akumashumi amathathu.

32Bathi oonyana bakaBhenjamin, Babulewe phambi kwethu, njengasekuqaleni; ke oonyana bakaSirayeli babesithi, Masirhole sibaqhawule kuwo umzi, beze emendweni.

33Asuka onke amadoda akwaSirayeli endaweni yawo, ákha uluhlu eBhahali-tamare; abalaleli bamaSirayeli bathi chithithi endaweni yabo ethafeni laseGebha.

34Kwavela malungana neGibheha ishumi lamawaka amadoda ahleliweyo kumaSirayeli onke; ukulwa kwashushu; babengazi bona ukuba ububi bubafikele.

35UYehova wawabulala amaBhenjamin phambi kwamaSirayeli. Oonyana bakaSirayeli batshabalalisa kwaBhenjamin ngaloo mini amashumi amabini anesihlanu amawaka anekhulu lamadoda; lawo onke ngárhola ikrele.

36Ke kaloku oonyana bakaBhenjamin babona ukuba boyisiwe, ukuba amadoda akwaSirayeli ayehlehla phambi kwamaBhenjamin, ngokuba abekholose ngabalaleli ababebabeke eGibheha.

37Abalaleli bakhawuleza, bagaleleka eGibheha, batsalela kuyo abalaleli, bawubulala wonke umzi ngohlangothi lwekrele.

38Ke kaloku ibhunga lamadoda akwaSirayeli nabalaleli laye libe lelokuthi, Qhumisani kakhulu umsi, unyuke kuloo mzi.

39Ajika ke amadoda akwaSirayeli ekulweni, akuba ebeqalile amaBhenjamin ukubulala iingxwelerha phakathi kwamadoda akwaSirayeli, amodada akumashumi amathathu; ngokuba abesithi, Abethiwe ngenene wona phambi kwethu, njengokulwa kokuqala.

40Wakuba umsi uqalile ukunyuka emzini, ungumqulu womsi, amaBhenjamin abheka emva kwawo, nango umzi wonke unyuka usiya ezulwini ungumsi.

41Aphethula amadoda akwaSirayeli, akhwankqiswa amadoda akwaBhenjamin; ngokuba abona ukuba afikelwe bububi.

42Ajika ke phambi kwamadoda akwaSirayeli, abheka endleleni yentlango. Ukulwa kwathana mbende nawo, besuka nabemi bemizi bawatshabalalisa kuyo.

43Bawarhawula amaBhenjamin, bawasukela, bawanyathelela phantsi endaweni yokuphumla, besa malunga neGibheha ngecala eliphuma ilanga.

44Kwawa kumaBhenjamin ishumi elinesibhozo lamawaka amadoda; onke ke lawo ingamadoda anobukroti.

© 1975 Bible Society of South Africa.

45Ajika ke, asabela entlango, engxondorheni yeRimon. Bacholachola ke kuwo emendweni amawaka amahlanu amadoda; bathana mbende nawo bada besa eGidiyom, babulala kuwo amawaka amabini amadoda.

46Athi ke onke awawáyo kumaBhenjamin ngaloo mini aba ngamashumi amabini anesihlanu amawaka, ingamadoda arhola ikrele; onke ke lawo ayengamadoda anobukroti.

47Ke ajika asabela entlango engxondorheni eRimon engamakhulu amathandathu amadoda, ahlala engxondorheni yeRimon apho iinyanga zané.

48Amadoda akwaSirayeli abuyela koonyana bakaBhenjamin, abulala ngohlangothi lwekrele, ethabathela kumzi, kumadoda ke kwaneenkomo esa kwinto yonke efumanekayo naphi. Kananjalo imizi yonke efunyenweyo ayifaka umlilo.

Abagwebi 21

Abasindáyo kumaBhenjamin banikwa abafazi

1Ke kaloku amadoda amadoda akwaSirayeli abefungile eMizpa, esithi, Akukho kúthi uya kunika umBhenjamin intombi yakhe ibe ngumfazi.

2Baya abantu eBheteli, bahlala khona kwada kwahlwa phambi koThixo, baliphakamisa izwi labo, batsho ngesililo esikhulu.

3Bathi, Kungani na, Yehova, Thixo kaSirayeli, ukuthi kuhle oku kwaSirayeli, ukuba esinye isizwe singabikho namhla kwaSirayeli?

4Kwathi ngengomso, bavuka kusasa abantu, bakha isibingelelo khona, benyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo.

5Bathi oonyana bakaSirayeli, Ngubani na ezizweni zonke zakwaSirayeli onganyukanga eze ebandleni kuYehova? Ngokuba ubefungelwe kakhulu onganyukanga eze kuYehova eMizpa, ngokuthi, Makabulawe afe.

6Babezohlwaya oonyana bakaSirayeli ngenxa kaBhenjamin umninawa wabo, besithi, Namhla sínqanyulwe esinye isizwe kwaSirayeli;

7sìya kubathini na abaseleyo ngabo abafazi, sifungé uYehova nje thina, ukuba asiyi kubanika ezintombini zethu zibe ngabafazi?

8Bathi ke, Sisiphi na isizwe sakwaSirayeli esinganyukanga size kuYehova eMizpa? Nanko ke eYabheshe yaseGiliyadi kungezanga ndoda eminqubeni ebandleni.

9Babàlwa abantu, nanko kungabangakho nanye indoda yabemi beYabheshe yaseGiliyadi khona.

10Ibandla lathumela khona ishumi elinamabini lamawaka amadoda kubafo abanobukroti, lawawisela umthetho, lisithi, Hambani niye kubulala abemi baseYabheshe yaseGiliyadi ngohlangothi lwekrele, abafazi nabantwana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Nantsi into enoyenza: yonke into eyindoda, nento yonke eyinkazana eyazene nendoda ngokulalwa yiyo, noyisingela phantsi.

12Afumana kubemi baseYabheshe yaseGiliyadi amankazana angamakhulu amané aziintombi, angazani nandoda ngokulala nayo, awazisa eminqubeni eShilo, eselizweni lamaKanan.

13Lathumela lonke ibandla, lathetha noonyana bakaBhenjamin ababesengxondorheni yeRimon, lamemeza kubo lathi lixolile.

14Abuya ke amaBhenjamin ngelo xesha; lawanika amankazana ebeliwasindisile kumankazana aseYabheshe yaseGiliyadi; akawalingana, noko angako.

15Abantu bazohlwaya ngenxa kaBhenjamin; ngokuba uYehova ebenze uthanda ezizweni zakwaSirayeli.

16Athi amadoda amakhulu ebandla, Siya kubathini na abaseleyo ngabafazi, etshabalele nje amankazana kwaBhenjamin?

17Athi, Ilifa labasindileyo malibe lelakwaBhenjamin, kungacinywa sizwe kwaSirayeli.

18Ke thina asinakubanika bafazi ezintombini zethu; ngokuba oonyana bakaSirayeli bafungile besithi, Uqalekisiwe onika umBhenjamin umfazi.

19Athi, Niyabona, kukho umthendeleko kaYehova iminyaka ngeminyaka eShilo, engasentla yeBheteli, ngasempumalanga komendo ovela eBheteli, onyuka uye kwaShekem, nangasezantsi kweLebhona.

20Abawisela oonyana bakaBhenjamin umthetho, esithi, Hambani niye kulalela ezidiliyeni;

21yabonani, nikhángele; ukuba zithe zaphuma iintombi zaseShilo, zingqungqa, zibetha ingqongqo, ze niphume ezidiliyeni, nizithele hlasi elowo umkakhe ezintombini zaseShilo, niye ezweni lakwaBhenjamin.

22Kothi, xa ooyise nabanakwazo bazé kubambana nathi, sithi kubo, Sibabaleni ngazo; ngokuba singàbathabathelanga elowo umkakhe ekulweni; ngokuba anibanikanga nina, okanye beniya kuba netyala.

23Benjenjalo oonyana bakaBhenjamin, bazeka abafazi ngokwenani labo kwezo zazingqungqa, bazixhakamfuláyo; bahamba babuyela elifeni labo, bákha imizi, bahlala kuyo.

24Bemka apho oonyana bakaSirayeli ngelo xesha, elowo waya esizweni sakowabo, nasemzalwaneni wakowabo. Baphuma ke apho, waya elowo elifeni lakhe.

25Ngaloo mihla kwakungekho kumkani kwaSirayeli; elowo wenza ngokubona kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

URute

URute 1

Ukumka nokubuya kukaNahomi

1Ke kaloku kwathi ngemihla yokulawula kwabagwebi, kwabakho indlala elizweni. Yahamba indoda yaseBhetelehem yakwaYuda, yaza yaphambukela elizweni lakwaMowabhi, yona nomkayo, noonyana bayo bobabini.

2Ke igama laloo ndoda lalinguElimeleki, igama lomkayo linguNahomi; amagama oonyana bayo babengooMalon noKiliyon, bengamaEfrata aseBhetelehem yakwaYuda. Baya ke elizweni lakwaMowabhi, baba khona.

3Wafa uElimeleki indoda kaNahomi; washiywa ke yena noonyana bakhe bobabini.

4Bazeka abafazi abangamaMowabhikazi; igama lomnye lalinguOrpa, igama lomnye lalinguRute; bahlala khona iminyaka eseshumini.

5Bafa kananjalo bobabini ooMalon noKiliyon; washiywa ke loo mfazi ngoonyana bakhe bobabini nayindoda yakhe.

6Wesuka yena noomolokazana bakhe, ebuya elizweni lakwaMowabhi; ngokuba weva eselizweni lakwaMowabhi, ukuba uYehova ubavelele abantu bakhe ngokubanika isonka.

7Waphuma kuloo ndawo abekuyo, enoomolokazana bakhe bobabini; wahamba ngendlela ebuyela ezweni lakwaYuda.

8Wathi uNahomi koomolokazana bakhe bobabini, Hambani, nibuyele elowo endlwini yonina; uYehova makanenzele inceba, njengoko nenze ngako kubafi nakum.

9UYehova makaninike nifumane indawo yokuphumla, elowo endlwini yendoda yakhe. Wabanga; baliphakamisa ilizwi labo, balila.

10Bathi kuye, Hayi, siya kubuyela nawe kubantu bakowenu.

11Wathi uNahomi, Buyani, zintombi zam; kungani na ukuba nihambe nam? Ndisenoonyana yini na embilinini wam, ukuze babe ngamadoda kuni?

12Buyani, zintombi zam; hambani, ngokuba sendikwaluphalele ukuba nendoda. Khona ukuba ndibe ndisithi, Ndisenethemba, nokuba bendithe ndaba ngonendoda ngobu busuku, nokuba bendithe ndazala oonyana,

13beniya kuthi ngenxa yoko nilinde bade bakhule, yini na? Beniya kuthi ngenxa yoko nizibambe ningabi namadoda, yini na? Hayi, zintombi zam; ngokuba kukrakra kunene kum ngenxa yenu, kuba isandla sikaYehova siphumelene nam.

14Baliphakamisa ilizwi labo, babuya balila. UOrpa wamanga uninazala; ke yena uRute wanamathela kuye.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

15Wathi yena, Ùyabona, umkhuluwakazi wakho ubuyéle kubantu bakowabo, nakoothixo bakowabo; buya nawe, ulandele umkhuluwakazi wakho.

16Wathi uRute, Musa akundibongoza ngokuthi mandikushiye, ndibuye, ndingàkulandeli; ngokuba apho uya khona, ndiya kuya nam; apho uya kuthi vu khona, ndiya kuthi vu khona; abantu bakowenu baya kuba ngabantu bam, uThixo wakho abe nguThixo wam;

17apho ùfela khona, ndiya kufela khona, ndingcwatyelwe khona. Makenjenje uYehova kum, aphinde ukwenjenje: kukufa kodwa okuya kundahlula nawe.

18Wabona ukuba uzimisele ukuhamba naye, wayeka ukuthetha kuye.

19Bahamba ke bobabini, bada bafika eBhetelehem. Kwathi, xa bangenayo eBhetelehem, wazamazama wonke umzi ngenxa yabo, bathi, NguNahomi na lo?

20Wathi kubo, Musani ukuthi ndinguNahomi; yithini ndinguMara, ngokuba uSomandla undenze ndakrakra kunene.

21Ndemka mna ndizéle; ke uYehova undibuyisa ndilambatha. Yini na ukuba nithi ndinguNahomi; uYehova engqinile nje ngam, uSomandla endenzele ububi nje.

22Wabuya ke uNahomi enoRute umMowabhikazi, umolokazana wakhe, owabuya elizweni lakwaMowabhi; bafika bona eBhetelehem ekuqalekeni kokuvunwa kwerhasi.

URute 2

URute umbhikici

1Ke kaloku uNahomi ebenesihlobo sendoda yakhe, indoda esisityebi emzalwaneni kaElimeleki; igama layo libe linguBhohazi.

2Wathi uRute umMowabhikazi kuNahomi, Makhe ndiye entsimini, ndibhikice izikhwebu emva kwalowo ndiya kubabalwa nguye. Wathi kuye, Hamba, ntombi yam.

3Wahamba waya, wabhikica entsimini emva kwabavuni. Ithamsanqa lakhe lawela phezu kwesahlulo sentsimi kaBhohazi, obengowomzalwane kaElimeleki.

4Wathi gqi uBhohazi, evela eBhetelehem, wathi kubavuni, UYehova makabe nani. Bathi kuye, UYehova makakusikelele.

5Wathi uBhohazi kwindodana yakhe ephethe abavuni, Yekabani na le nkazana?

6Yaphendula indodana ephethe abavuni, yathi, Yinkazana engumMowabhikazi, efike noNahomi, bevela elizweni lakwaMowabhi;

7yathi ke, Makhe ndibhikice, ndibuthe phakathi kwezithungu emva kwabavuni; yeza ke, yema kwakusasa kwada kwangoku; ukuhlala kwayo endlwini kukancinane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wathi uBhohazi kuRute, Uyeva na, ntombi yam? Musa ukuya kubhikica ntsimini yimbi; kananjalo uze ungadluli apha; namathela wenjenje kumthinjana wam lo;

9amehlo akho makabe sentsimini oyivunayo wona, uwulandele; yabona, abafana bakwam ndibawisele umthetho wokuba bangakuchukumisi; xa unxaniweyo, yiya ezityeni, usele into ekhiwe ngabafana.

10Wawa ngobuso bakhe, waqubuda emhlabeni, wathi kuye, Kutheni na ukuba ndibabalwe nguwe, undibuke, ndiyinkazana yolunye uhlanga nje?

11Waphendula uBhohazi, wathi kuye, Ndiyixelelwe kakuhle yonke into oyenzileyo kunyokozala, emva kokufa kwendoda yakho; ukuba ùshiye uyihlo nonyoko, nelizwe owazalelwa kulo, weza ebantwini obungabazi ngaphambili.

12UYehova makakubuyekeze ukwenza kwakho, uzaliseke umvuzo wakho ovela kuYehova uThixo kaSirayeli, ozé wazimela phantsi kwamaphiko akhe wena.

13Wathi yena, Mandibabalwe nguwe, nkosi ngokuba busuku esandéni. Zihlambe, kuba uthethe kakuhle nomkhonzazana wakho, ndingèjengomnye wabakhonzazana bakho nje.

14Wathi uBhohazi kuye, Ngexesha lokudla sondela apha, udle isonka, uncinde iviniga ngeqhekeza lakho. Wahlala phantsi ngasecaleni labavuni. Wamnika ikhweba; wadla, wahlutha, washiya.

15Wesuka ke waya kubhikica; uBhohazi waluwisela umthetho ulutsha olulolwakhe, wathi, Makabhikice naphakathi kwezithungu, ningamdanisi;

16nimrholele nokumrholela inxenye ezithungwini, nishiye, abhikice, ningamkhalimeli.

17Wabhikica entsimini leyo kwada kwahlwa; wayibhula into abeyibhikicile, yanga yiefa yerhasi.

18Wathwala, waya ekhaya; wayibona uninazala into ayibhikicileyo; wakurhola, wamnika abekushiyile akuba ehluthi.

19Wathi uninazala kuye, Ubhikice phi na namhla? Ubusebenza phi na? Makasikelelwe okubukileyo wena. Wamxelela uninazala umntu abesebenza kuye, wathi, Igama lendoda endisebenze kuyo namhla nguBhohazi.

20Wathi uNahomi kumolokazana wakhe, Makasikelelwe yena nguYehova, ongayekelelanga ukwenza inceba yakhe kwabaphilileyo nakwabafileyo. Wathi uNahomi kuye, Indoda leyo iyalamana nathi; ingowabakhululi bethu.

21Wathi uRute umMowabhikazi, Kananjalo ithe yona kum, Uze unamathele kulutsha olulolwam, lude lulugqibe lonke uvuno olulolwam.

22Wathi uNahomi kuRute umolokazana wakhe, Kulungile, ntombi yam, ukuba uphume nomthinjana wakhe, ukuze ungàfikelwa mntu ukwenye intsimi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Wanamathela kumthinjana kaBhohazi, wabhikica, kwada kwagqitywa ukuvunwa kwerhasi nokuvunwa kwengqolowa; wahlala noninazala.

URute 3

URute uzibika kuBhohazi

1Wathi uNahomi uninazala kuye, Ntombi yam, ndingàkufuneli na ukuphumla okokulungela?

2Kaloku àkasihlobo sethu na uBhohazi, lowo umthinjana ubunawo? Nanko esela irhasi ngobu busuku esandéni.

3Zihlambe, uthambise, unxibe iingubo zakho, uhle uye esandéni. Uze ungazazisi endodeni leyo, ide igqibe ukudla nokusela.

4Wóthi, ukulala kwayo phantsi, uqonde indawo eye kulala kuyo, uye uyityhile ingubo ngasezinyaweni zayo, ulale phantsi; yókuxelela ke yona into owoyenza.

5Wathi kuye, Yonke into oyithethayo ndoyenza.

6Wehla ke waya esandéni, wenza ngako konke abemwisele umthetho ngako uninazala.

7Wadla uBhohazi, wasela, yachwayitha intliziyo yakhe; waya walala phantsi ekupheleni kwentlaba. Waya ke ecotha, wamtyhila ingubo ngasezinyaweni zakhe, walala phantsi.

8Kwathi phakathi kobusuku, yothuka indoda leyo, yaguquka, yabona kulele inkazana ngasezinyaweni zayo.

9Yathi, Ùngubani? Wathi, NdinguRute, umkhonzazana wakho; twabulula isondo lengubo yakho phezu komkhonzazana wakho, ngokuba ungumkhululi wena.

10Yathi, Ùsikelelwe nguYehova, ntombi yam. Inceba yakho yamva nje ingaphezu kweyokuqala, ungalandelanga madodana nje, nokuba ngasweleyo nokuba nganobutyebi.

11Kaloku ke, ntombi yam, musa ukoyika; konke okuthethileyo ndokwenzela; ngokuba bonke abantu bomzi wakowethu bayazi ukuba uyinkazana enesidima. Ewe!

12Kuyinene, ndingumkhululi inyaniso. Ke kukho umkhululi osondeleyo kuwe kunam.

13Lala ngobu busuku; kothi kusasa, ukuba úthe wakukhulula ngentlawulelo, kulunge, makakukhulule ngentlawulelo; ke ukuba akathanga akunanze ukukukhulula ngentlawulelo, ndokukhulula ngentlawulelo mna, ehleli nje uYehova. Lala kude kuse.

14Walala ke ngasezinyaweni zakhe kwada kwasa; wavuka bengekanakanani abantu. Yathi, Makungàziwa ukuba bekuze inkazana esandéni.

15Yathi, Ethe ingubo yakho yokwaleka, ukhongozele. Wakhongozela ke ngayo. Yalinganisa izilinganiso zerhasi ezithandathu, yamthwalisa; wagoduka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Waya kuninazala, wathi yena, Ùtheni, ntombi yam? Wamxelela konke emenzele khona indoda leyo.

17Wathi, Indiniké ezi zilinganiso zerhasi; ngokuba yayisithi, Musa ukuya kunyokozala ulambatha.

18Wathi, Hlala, ntombi yam, ude wazi okuya kuhla; kuba indoda leyo ayiyi kuphumla, ingakuphelisanga oku namhla.

URute 4

Umtshato kaRute noBhohazi

1Ke kaloku wenyuka uBhohazi, waya esangweni lomzi, wahlala khona; nanko egqitha umkhululi lowa abethetha yena uBhohazi; wathi, Wa, Nantsi, khawuphambukele apha, uhlale phantsi.

2Waphambuka, wahlala. Wathabatha ishumi lamadoda kumadoda amakhulu omzi, wathi, Hlalani apha; ahlala ke.

3Wathi kumkhululi lowo, Isahlulo somhlaba obungowomzalwana wethu uElimeleki, uthengisé ngaso uNahomi, obuye elizweni lakwaMowabhi;

4ndathi ke mna, mandivule indlebe yakho, ndithi, Wuthenge ngaphambi kwaba bahleliyo apha, phambi kwamadoda amakhulu abantu bakowethu. Ukuba uyawukhulula ngentlawulelo, wukhulule ngentlawulelo; ukuba akuwukhululi ngentlawulelo, ndixelele ndazi; ngokuba akukho bani unokuwukhulula ngentlawulelo, ingenguwe; ndisemva kwakho mna. Wathi, Ndowukhulula ngentlawulelo mna.

5Wathi uBhohazi, Mhlenikweni uwuzuzayo umhlaba esandleni sikaNahomi, uwuzuza nakuRute, umMowabhikazi, umkamfi, ukuba uvuse igama lomfi elifeni lakhe.

6Wathi umkhululi lowo, Andinakuzikhululela ngentlawulelo ngokwam, hleze ndilonakalise elam ilifa. Zikhululele ngentlawulelo isilunga sam eso; ngokuba andinako mna ukuwukhulula ngentlawulelo.

7Ke kaloku kwakusithiwa kudala kwaSirayeli, ukukhulula ngentlawulelo nokwanana, ukuze yonke into ibe iqiniselwe, ubani anyothule imbadada yakhe ayinike ummelwane wakhe; oko kwaye kububungqina kwaSirayeli.

8Wathi umkhululi lowo kuBhohazi, Zithengele. Wanyothula imbadada yakhe.

9Wathi ke uBhohazi kumadoda amakhulu nakubantu bonke, Ningamangqina namhla, ukuba ndikuthengile konke okukaElimeleki, nako konke okukaKiliyon noMalon, esandleni sikaNahomi; noRute umMowabhikazi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

10umkaMalon, ndimzuzile ukuba abe ngumkam, ukuze kuvuswe igama lomfi elifeni
lakhe, linganqanyulwa igama lomfi ebazalwaneni bakhe, nasesangweni lendawo
yakhe: ningamangqina namhla.

11Bathi bonke abantu abasesangweni namadoda amakhulu, Singamangqina.
UYehova makamenze lo mfazi ungenayo endlwini yakho, abe njengoRakeli
nanjengoLeya, abayakháyo indlu kaSirayeli bobabini, avelise amandla e-Efrata,
akwenzele udumo eBhetelehem;

12indlu yakho ibe njengendlu kaPeretse, awamzalayo uTamare kuYuda, ngembewu
leyo aya kukunika uYehova ngale ntombazana.

Ukuzalwa komntwana wabo

13UBhohazi wamzeka ke uRute waba ngumkakhe, wamngena; waza uYehova
wamnika ukuzala; wazala unyana.

14Bathi abafazi kuNahomi, Makabongwe uYehova ongakuyekelanga uswele
umkhululi namhla; igama lakhe malivakale kwaSirayeli;

15abe ngumbuyisi womphefumlo kuwe, nomnqaki wezimvi zakho; ngokuba
umolokazana wakho okuthandayo, lowo ulungileyo kuwe ngaphezu koonyana
abasixhenxe, úmzele.

16UNahomi wamthabatha umntwana lowo, wambeka esifubeni sakhe, waba
ngumondli wakhe.

17Lwamthiya igama umelwanekazi, lwathi, UNahomi uzalelwe unyana, lwathi igama
lakhe nguObhedi; yena nguyise kaYese, uyise kaDavide.

18Yiyo le ke inzala kaPeretse: uPeretse wazala uHetseron;

19uHetseron wazala uRam; uRam wazala uAminadabhi;

20uAminadabhi wazala uNashon; uNashon wazala uSalemon;

21uSalemon wazala uBhohazi; uBhohazi wazala uObhedi; UObhedi wazala uYese;

22uYese wazala uDavide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

USamuweli I

USamuweli I 1

Ukuzalwa kukaSamuweli

1Ke kaloku kwakukho ndoda ithile yaseRama, umTsofi, yakweleentaba lakwaEfrayim,
egama belinguElikana, unyana kaYeroham, unyana kaElihu, unyana kaTohu, unyana
kaTsufi, wakwaEfrayim.

2Yayinabafazi ababini; igama lomnye lalinguHana, igama lowesibini linguPenina;
uPenina ke wayenabantwana, uHana yena engenabantwana.

3Indoda leyo ibinyuka ivela emzini wayo iminyaka ngeminyaka, iye kunqula,
ibingelele kuYehova wemikhosi eShilo. Babekhona ke oonyana bakaEli ababini,
ooHofeni noPinehasi, ababingeleli bakaYehova.

4Kwathi ngemini awabingelela ngayo uElikana, wamnika uPenina umkakhe,
noonyana bakhe bonke, neentombi zakhe, izabelo.

5Ke uHana wamnika isabelo sabantu ababini, ngokuba ebemthanda uHana; ke
uYehova ebesivalile isizalo sakhe.

6Waza umkhweleteli wakhe wamana emchunuba, ukuze ade acunuke; ngokuba
uYehova ebesivalile isizalo sakhe.

7Wenjenjalo uElikana iminyaka ngeminyaka, xa wenyukayo ukuya endlwini
kaYehova; wenjenjalo uPenina ukumqumbisa; uHana walila, akadla.

8Wathi uElikana umyeni wakhe kuye, Hana, ulilelani na? Yini na ukuba ungadli? Yini
na ukuba ibe mbi intliziyo yakho? Andilungile na kuwe ngaphezu koonyana
abalishumi?

9Wesuka uHana emveni kokuba bedlile eShilo, emveni kokuba besele. Ke kaloku uEli
umbingeleli wayehleli esihlalweni ngasemgubasini webhotwe likaYehova.

10Wawukrakra umphefumlo kaHana, wathandaza kuYehova, wasitsho isililo.

11Wabhambathisa ngesibhambathiso, wathi, Yehova wemikhosi, ukuba uthe
wazikhangela ukuzikhangela oku iintsizi zomkhonzazana wakho, wandikhumbula,
akwamlibala umkhonzazana wakho, wamnika umkhonzazana wakho umntwana
oyindoda: ndomnika uYehova yonke imihla yobomi bakhe; isitshetshe sokucheba
asiyi kusondezwa entlokweni yakhe.

12Kwathi, ekuthandazeni kwakhe uzungu phambi koYehova, uEli wawugqala umlomo
wakhe.

13Ke yena uHana wayethethela entliziyweni yakhe, kubebezela imilebe yomlomo
wakhe yodwa, ilizwi lakhe lingavakali; uEli waba uyanxila.

14Wathi uEli kuye, Koda kube nini na unxila? Yisuse iwayini yakho kuwe.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

15Waphendula uHana, wathi, Hayi, nkosi yam, ndingumfazi omoya unobunzima, andiselanga wayini nasiselo sinxilisayo; ndiphalaza umphefumlo wam phambi koYehova.

16Musa ukumbalela umkhonzazana wakho ekuthini yintombi yetshijolo; ngokuba unangoku ndithethe ngobuninzi bokukhalaza kwam nokuqu njiswa kwam.

17Waphendula uEli, wathi, Hamba unoxolo; uThixo kaSirayeli makakunike isicelo sakho osicelileyo kuye.

18Wathi ke yena, Umkhonzazana wakho lo makababalwe nguwe. Wahamba indlela yakhe umfazi lowo, wadla, ababa samatsha ubuso bakhe.

19Bavuka kusasa ngengomso, baqubuda phambi koYehova, babuya, bangena endlwini yabo eRama. UElikana wamazi uHana umkakhe; uYehova wamkhumbula.

20Kwathi ukufezeka kwemihla, wamitha uHana, wazala unyana, wamthiya igama elinguSamuweli, esithi, Kungokuba ndamcelayo kuYehova.

21Yenyuka indoda leyo inguElikana nendlu yayo yonke, ukuba ibingelele kuYehova umbingelelo womnyaka, inesibhambathiso sayo.

22Ke yena uHana akanyukanga; ngokuba wathi kwindoda yakhe, Kokha kulunyulwe umntwana, ndandule ke ukumzisa abonakale phambi koYehova, ahlale khona kude kuse ephakadeni.

23Wathi uElikana indoda yakhe kuye, Yenza okulungileyo emehlweni akho; hlala ude umlumle; ke uYehova makalimise ilizwi lakhe. Wahlala ke umfazi, wanyisa unyana wakhe wada wamlumla.

24Wenyuka naye, akuba emlumle, eneenkunzi ezintathu ezintsha, ne-efa yomgubo, nentsuba yewayini, wamsa endlwini kaYehova eShilo, umntwana lowo esemncinane.

25Bayixhela inkunzi entsha, bamsa umntwana kuEli.

26Wathi, Camagu, nkosi yam! Úhleli nje umphefumlo wakho, nkosi yam, ndingulaa mfazi wayemi kuwe apha, ethandaza kuYehova.

27Ndandithandazela lo mntwana; úndinikile ke uYehova isicelo sam endandisicela kuye;

28nam ndiya kumenza oceliweyo kuYehova; yonke imihla yokubakho kwakhe, woba ngoceliweyo kuYehova. Wamnqula khona uYehova.

USamuweli I 2

Ingoma kaHana yombulelo

1Wathandaza uHana, wathi, Intliziyo yam idlamkile ngoYehova, Uphondo lwam luphakanyisiwe nguYehova. Uvulekile umlomo wam kakhulu ngazo iintshaba zam; Ngokuba ndivuyele usindiso lwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Akukho uyingcwele njengo Yehova; Ngokuba akukho namnye ngaphandle kwakho;
Akukho liwa linjengoThixo wethu.

3Musani ukukwandisa ukuthetha izinto eziphakamileyo, izinto eziphakamileyo,
Kungaphumi ntetho yakuhlakanipha emlonyeni wenu; Ngokuba uYehova nguThixo
owazi konke, Yena nguMlinganisi wezenzo eziyincamisa.

4Izaphetha zamagorha zaphukile, Abakhubeki babhinqiswe amandla.

5Abahluthiyo baziqeshisela isonka, Abalambileyo baza kuphela ukulamba, Ade
nongazaliyo azale isixhenxe, Onabantwana abaninzi antshwenye.

6UYehova uyabulala, adlise ubomi; Uhlisela kwelabafileyo, abuye anyuse.

7UYehova uyahlwempuza, atyebise; Uthoba, abuye aphakamise.

8Uvusa eluthulini abasweleyo, Aphakamise amahlwempu ezaleni, Ukuba awahlalise
namanene; Uwabela ilifa elisihlalo sozuko; Ngokuba zezika Yehova iintsika
zehlabathi, Walimisa phezu kwazo elimiweyo.

9Iinyawo zabàkhe benceba uya kuzigcina, Abangendawo badake ebumnyameni;
Ngokuba indoda ayeyisi ngamandla.

10UYehova yena — baya kuqhiphuka umbilini ababambana naye. Uya kududumisa
phezu kwabo emazulwini; UYehova uya kuzigweba iziphelo zehlabathi, Amnike
ukumkani wakhe amandla, Aluphakamise uphondo lomthanjiswa wakhe.

11Wesuka uElikana, waya endlwini yakhe; ke umntwana ebelungiselela kuYehova
phambi kukaEli umbingeleli.

Ubutshijolo boonyana bakaEli

12Ke kaloku oonyana bakaEli babengamatshijolo, bengamazi uYehova.

13Kwanesilùnga sababingeleli esiphuma ebantwini, akubon' ukuba umntu ubingelela
umbingelelo, kwaza kweza umfana wakwambingeleli, xa iphekiweyo inyama,
enefolokhwe emazinyo mathathu esandleni sakhe,

14wahlaba nokuba kuselukhambeni, nokuba kuseketileni, nokuba kukungxawu,
nokuba kusembizeni: ibisithi yonke into ephume nefolokhwe azithabathele
umbingeleli kwangayo. Benjenjalo kumaSirayeli onke abesiza eShilo apho.

15Kananjalo kungekaqhunyiselwa ngamanqatha, ubesithi umfana wakwambingeleli,
eze kumntu obingelelayo, athi, Ethe inyama, yoselwe umbingeleli; kuba akayi
kwamkela nyama iphekiweyo kuwe, mayibe yekrwada.

16Athi umntu lowo akuthi kuye, Kuya kuqhunyiselwa inene ngamanqatha kwangoku,
wandule ke uzithabathele, njengoko umphefumlo wakho unqwenela ngako: athi
yena, Hayi, ndinike ngoku; ukuba akundiniki, ndoyithabatha ngamandla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Saba sikhulu kunene isono samadodana phambi koYehova; ngokuba abantu bawudela umnikelo kaYehova.

18Waye uSamuweli elungiselela phambi koYehova, eyinkwenkwe ebhinqe iefodi yelinen emhlophe.

19Unina ubemenzela ingubo yokwaleka, anyuke nayo, ayise kuye iminyaka ngeminyaka ekunyukeni kwakhe nendoda yakhe, ukuza kubingelela umbingelelo womnyaka.

20UEli wamsikelela uElikana nomkakhe, wathi, UYehova makakunike imbewu ngalo mfazi esikhundleni soceliweyo, owacelwa kuYehova. Bahamba bagoduka.

21UYehova wamvelela uHana; wamitha, wazala oonyana abathathu, neentombi ezimbini. Yakhula inkwenkwe enguSamuweli ikuYehova.

22Ke kaloku uEli ubeselemdala kakhulu; wayiva yonke into ababeyenza oonyana bakhe kumaSirayeli onke, kwanokuba babelala nabafazi ababekhonza emnyango wentente yokuhlangana.

23Wathi kubo, Yini na ukuba nenze izinto ezinjengezi? Kuba izenzo zenu ezibi ndiziva ngaba bantu bonke.

24Hayi, nyana bam; ngokuba asiludaba luhle olu ndiluvayo mna; nibanga ukuba abantu bakaYehova bagqithise.

25Ukuba umntu uthe wona umntu, uThixo uyamlamlela; ke ukuba umntu uthe wona kuYehova, ngubani na oya kumlamlela? Àbaliphulaphula izwi likayise; kuba uYehova ubefuna ukubabulala.

26Ke inkwenkwe, uSamuweli, yaya ikhula ngokukhula, ithandeka kuYehova nakubantu.

27Kweza umntu kaThixo kuEli, wathi kuye, Utsho uYehova ukuthi, Kanene ndazityhila na kwindlu kayihlo, beseYiputa endlwini kaFaro?

28Ndamnyula na ezizweni zonke zakwaSirayeli, ukuba abe ngumbingeleli kum, anyuke esibingelelweni sam, aqhumisele ngeziqhumiso, anxibe iefodi phambi kwam? Ndayinika yonke indlu kayihlo konke ukudla kwasemlilweni koonyana bakaSirayeli?

29Yini na ke ukuba niwunyathelele phantsi umbingelelo wam nomnikelo wam wokudla, endiwise umthetho ngawo ekhayeni lam, usuke ubazukise oonyana bakho ngaphezu kwam, ukuze nizityebise ngelona nqatha leminikelo yonke yamaSirayeli, abantu bam?

30Ngoko utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ndatsho okunene ukuthi, Indlu yakho nendlu kayihlo yohamba phambi kwam kude kuse ephakadeni; kungoku utsho uYehova ukuthi, Oko makube lee kum; ngokuba ondizukisayo ndiya kumzukisa, abandidelayo bacukucezwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Yabona, imihla iyeza, endiya kuyinqumla ingalo yakho, nengalo yendlu kayihlo, kungabikho ngwevu endlwini kayihlo;

32ukubone ukubandezelwa kwekhaya lam ezintweni zonke uThixo aya kuwenzela okulungileyo ngazo amaSirayeli; kungabikho ngwevu endlwini yakho imihla yonke.

33Ke andiyi kunqumla mntu wonke wakwakho esibingelelweni sam, ukuze amehlo akho aphele, nomphefumlo wakho uthè; kufè kungamadoda konke ukwanda kwendlu yakho.

34Nguwo lo umqondiso kuwe, oya kubafikela oonyana bakho bobabini, uHofeni noPinehasi: baya kufa bobabini ngamhla mnye.

35Ndiya kuzivelisela umbingeleli othembekileyo, oya kwenza njengoko kusentliziyweni yam, nasemphefumlweni wam; ndimakhele indlu eqinileyo, ahambe phambi komthanjiswa wam yonke imihla.

36Kothi, lowo useleyo endlwini yakho, eze azigobe kuye ngenxa yeqhosha lesilivere nesuntswana lesonka, athi, Khawundifake komnye umsebenzi wobubingeleli, ukuze ndidle iqhekeza lesonka.

USamuweli I 3

Ukubizwa kukaSamuweli

1Ke kaloku umntwana uSamuweli wayelungiselela kuYehova phambi koEli. Ilizwi likaYehova laliswelekile ngaloo mihla; kwakungekho mbono utyhilekileyo.

2Kwathi ngaloo mhla, elele uEli endaweni yakhe, amehlo akhe eqale ukuba norhatyazo ukuba angabi nakubona,

3singekacinywa isibane sikaThixo, uSamuweli elele ebhotweni likaYehova, apho ibikhona ityeya kaThixo,

4uYehova wambiza uSamuweli; wathi yena, Ndilapha.

5Wabalekela kuEli, wathi, Ndilapha; ngokuba undibizile. Wathi yena, Andikubizanga; buya uye kulala. Waya walala.

6Waqokela uYehova wambiza uSamuweli. Wavuka uSamuweli, waya kuEli, wathi, Ndilapha; ngokuba undibizile. Wathi yena, Andikubizanga, nyana wam; buya uye kulala.

7Ke uSamuweli ebengekamazi uYehova, libe lingekatyhileki kuye ilizwi likaYehova.

8Waqokela uYehova wambiza uSamuweli okwesithathu. Wavuka weza kuEli, wathi kuye, Ndilapha; ngokuba undibizile. Waqonda uEli ukuba uYehova umbizile umntwana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wathi uEli kuSamuweli, Hamba uye kulala; kothi, ukuba úthe wakubiza, uthi, Thetha, Yehova, ngokuba esiva umkhonzi wakho. Waya uSamuweli, walala endaweni yakhe.

10Weza uYehova, wema, wabiza njengezinye izihlandlo, wathi, Samuweli, Samuweli. Wathi uSamuweli, Thetha, ngokuba esiva umkhonzi wakho.

11Wathi uYehova kuSamuweli, Uyabona, ndènza into kwaSirayeli eya kubetha zithi nzwi iindlebe zombini zabantu bonke abaya kuyiva.

12Ngaloo mini ndiya kumvelisela uEli yonke into endiyithethileyo ngokusingisele kwindlu yakhe; ndiqalile, ndiya kugqiba.

13Ndimxélele ukuba ndiyayigweba indlu yakhe kude kuse ephakadeni, ngenxa yobugwenxa abaziyo; ngokuba báziqalekisa oonyana bakhe, akabangxolisa.

14Ngoko ndiyifungele indlu kaEli, ndathi, Inene ubugwenxa bendlu kaEli abuyi kucanyagushelwa ngambingelelo, nangamnikelo wakudla, naphakade.

15Walala uSamuweli kwada kwasa, wazivula ke iingcango zendlu kaYehova. USamuweli woyika ukumxelela uEli umbono lowo.

16UEli wambiza uSamuweli, wathi, Samuweli, nyana wam.

17Wathi yena, Ndilapha. Wathi, Liyintoni na ilizwi elo alithethileyo kuwe? Musa ukukha undifihlele. Makenjenje uThixo kuwe, aqokele ukwenjenje, ukuba ùthe wandifihlela lizwi, emazwini onke awathethileyo kuwe.

18USamuweli wamxelela amazwi onke, akamfihlela nto. Wathi ke yena, NguYehova; makenze oko kulungileyo emehlweni akhe.

19Wakhula uSamuweli; uYehova waba naye, akwawa phantsi nalinye ilizwi emazwini akhe onke emhlabeni.

20Onke amaSirayeli, ethabathele kwaDan esa eBher-shebha, azi ukuba uSamuweli ngumprofeti othembekileyo kaYehova.

21Waqokela uYehova wabonakala eShilo; ngokuba uYehova wazityhila kuSamuweli eShilo ngelizwi likaYehova.

USamuweli I 4

Ukuthinjwa kwetyeya yomnqophiso ngamaFilisti

1Ilizwi likaSamuweli laya kumaSirayeli onke. Aphuma amaSirayeli, eya kuwahlangabeza amaFilisti alwe nawo; amisa iintente ngase-Ebhenezere, amaFilisti amisa eAfeki.

2Aza amaFilisti ákha uluhlu lokulwa namaSirayeli. Idabi lanwenwezela, abulawa amaSirayeli phambi kwamaFilisti. Kwabulawa eluhlwini ethafeni apho amadoda akumawaka amané.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Beza abantu eminqubeni, athi amadoda amakhulu akwaSirayeli, Yini na ukuba
uYehova asibulale namhla phambi kwamaFilisti? Masiye kuthabatha ityeya
yomnqophiso kaYehova eShilo, ibe kuthi, ize phakathi kwethu, isisindise esandleni
seentshaba zethu.

4Bathumela ke abantu eShilo; bayithabatha khona ityeya yomnqophiso kaYehova
wemikhosi, ohleli phezu kweekerubhi; babekhona bobabini oonyana bakaEli,
uHofeni noPinehasi, benetyeya yomnqophiso kaThixo.

5Kwathi, xa ifikayo ityeya yomnqophiso kaYehova eminqubeni, aduma kakhulu onke
amaSirayeli, umhlaba wathi ndi.

6Asiva amaFilisti isandi sokuduma kwawo, athi, Sesani na esi sandi sokuduma
kungaka eminqubeni yamaHebhere? Azi ke ukuba ityeya kaYehova ifikile
eminqubeni.

7Oyika amaFilisti, kuba ebesithi, UThixo ufikile eminqubeni. Athi, Yeha ke thina!
Ngokuba akuzanga kube nje ngaphambili.

8Yeha ke thina! Ngubani na oya kusihlangula esandleni saba thixo babungangamsha
bungaka? Ngaba thixo aba babulála amaYiputa ngezibetho zonke entlango.

9Yomelelani, nibe ngamadoda, nina maFilisti, hleze nikhonze kumaHebhere,
njengokuba ekhonze kuni wona. Yibani ngamadoda, nilwe.

10Alwa ke amaFilisti, awabulala amaSirayeli; asaba ke wona, waya elowo ententeni
yakhe; abulawa kakhulu kunene. Kwawa kumaSirayeli amawaka angamashumi
amathathu angumqikela.

11Kwathinjwa netyeya yomnqophiso kaThixo; bafa oonyana bobabini bakaEli,
uHofeni noPinehasi.

Ukufa kukaEli

12Kwabaleka indoda yakwaBhenjamin, ivela emkhosini, yafika eShilo kwangaloo mini,
iingubo zayo zikrazukile, inomhlaba entloko.

13Yafika; nanko uEli ehleli esihlalweni ecaleni kwendlela, ebonisela; ngokuba
ibigubha intliziyo yakhe ngenxa yetyeya kaThixo. Yafika indoda leyo, yawuxelela
umzi; wasitsho isililo wonke umzi.

14Waliva uEli izwi lesililo, wathi, Lelani na eli lizwi lale ntlokoma? Indoda leyo
yakhawuleza, yeza yamxelela uEli.

15Ke kaloku uEli ebeminyaka imashumi asithoba anesibhozo ezelwe, amehlo akhe
enorhatyazo, engenakubona.

16Yathi indoda leyo kuEli, Ndingulo uvela emkhosini mna, ndisabé emkhosini
namhlanje. Wathi yena, Kuhlé ntoni na, nyana wam?

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Waphendula umbiki, wathi, Asabile amaSirayeli phambi kwamaFilisti, kananjalo babulewe kakhulu abantu, kananjalo oonyana bakho bobabini bafile, ooHofeni noPinehasi; ityeya kaThixo ithinjiwe.

18Kwathi, akukhankanya ityeya kaThixo, wawa esihlalweni sakhe, eqethuka ngomva ngasecaleni kwesango, waphuka ilungu lentamo, wafa; ngokuba indoda leyo ibiselilixhego; inzima. Yayiwalawula amaSirayeli iminyaka emashumi mané.

19Ke kaloku umolokazana wayo, umkaPinehasi, ebemithi, eza kuzala. Wathi akuziva iindaba zokuthinjwa kwetyeya kaThixo, nezokufa koyise wendoda nokwendoda yakhe, waguqa, wazala; ngokuba yamfikela inimba.

20Ngexesha lokufa kwakhe, abafazi ababemi phezu kwakhe bathetha, bathi, Musa ukoyika, ngokuba ùzele unyana. Akaphendula, akakhathala koko.

21Wathi umntwana nguIkabhode, esithi, Uzuko lumkile kwaSirayeli, ngenxa yokuthinjwa kwetyeya kaThixo, nangenxa yoyise wendoda, nendoda yakhe.

22Wathi, Uzuko lumkile kwaSirayeli; kuba ityeya kaThixo ithinjiwe.

USamuweli I 5

Ityeya yomnqophiso kwizixeko zamaFilisti

1AmaFilisti ayithabatha ityeya kaThixo, esuka nayo e-Ebhenezere, aya nayo eAshdode.

2Ayithabatha amaFilisti ityeya kaThixo, aya nayo endlwini kaDagon, ayimisa ecaleni koDagon.

3Bavuka kusasa ngengomso abaseAshdode, nanko uDagon ewile ngobuso emhlabeni phambi kwetyeya kaYehova. Bamthabatha uDagon, babuya bammisa endaweni yakhe.

4Bavuka kusasa ngengomso, nanko uDagon ewile ngobuso emhlabeni phambi kwetyeya kaYehova, intloko kaDagon nezandla zakhe zozibini zinqumkile, zisembundwini womnyango, kusele isikhondo sodwa.

5Ngenxa yoko ababingeleli bakaDagon, nabo bonke abangenayo endlwini kaDagon, àbanyatheli embundwini womnyango wendlu kaDagon eAshdode unanamhla.

6Saba nzima isandla sikaYehova phezu kwabaseAshdode, sabaphanzisa, sababetha ngamathumba, iAshdode ke nemida yayo.

7Akubona amadoda aseAshdode ukuba kunjalo, athi, Ityeya yoThixo kaSirayeli mayingahlali kuthi; ngokuba isandla sakhe sinzima phezu kwethu, naphezu koDagon uthixo wethu.

8Athumela ahlanganisela kuwo zonke izikhulu zamaFilisti, athi, Síyithini na ityeya yoThixo kaSirayeli? Zathi, Mayijike iye eGati. Ayijika ke ityeya yoThixo kaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Kwathi emveni kokujikwa kwayo, isandla sikaYehova saba phezu kwaloo mzi, sasisaqunge esikhulu kunene; wababulala abantu baloo mzi, kwathabathela kwabancinane kwesa kwabakhulu, bathi gqobhogqobho amathumba.

10Bayithumela ityeya kaThixo e-Ekron. Kwathi, xa ifikayo ityeya kaThixo e-Ekron, bakhala abase-Ekron, besithi, Bayijikéle kuthi ityeya yoThixo kaSirayeli, ukuba isibulale thina nabantu bakowethu.

11Bathumela, bazihlanganisa zonke izikhulu zamaFilisti, bathi, Yimkiseni ityeya yoThixo kaSirayeli, ibuyele endaweni yayo, ingasibulali thina, nabantu bakowethu; ngokuba ukuqungaqunga kokufa bekukho kuwo wonke umzi, besinzima kunene isandla sikaThixo khona.

12Abantu abangafanga babethwa ngamathumba; kwenyuka kwaya ezulwini ukuzibika komzi.

USamuweli I 6

AmaFilisti ayibuyisela kumaSirayeli ityeya yomnqophiso

1Ityeya kaYehova yaba semhlabeni wamaFilisti iinyanga ezisixhenxe.

2AmaFilisti abiza ababingeleli nabavumisi, esithi, Síyithini na ityeya kaYehova? Saziseni into esingayigodusa nayo, iye endaweni yayo.

3Bathi, Ukuba iyagoduswa ityeya yoThixo kaSirayeli, musani ukuyigodusa ilambatha; ukuyibuyisela kuye, noyibuyisela inedini letyala. Niya kuphiliswa; kuya kwandula ukwazeka kuni, ukuba bekungàni na ukuba isandla sakhe singesuki kuni.

4Athi, Linyintoni na idini letyala esolibuyisela kuye? Bathi, Lingamathumba egolide amahlanu, neempuku zegolide ezintlanu, ngokwenani lezikhulu zamaFilisti; ngokuba sinye isibetho kuni nonke, nakwizikhulu zenu.

5Ize niyenze imifanekiso yamathumba enu, nemifanekiso yeempuku zenu ezilonakalisayo ilizwe, nimzukise uThixo kaSirayeli; mhlawumbi wosenza lula isandla sakhe kuni, nakoothixo benu, nakwilizwe lenu.

6Yini na ukuba niziqaqadekise iintliziyo zenu, njengokuba aziqaqadekisáyo iintliziyo zawo amaYiputa noFaro? Àkuthanga na, ákuzenza izenzo ezincamisayo kuwo, amaYiputaawandulula amaSirayeli, emka ke?

7Thabathani ngoko, nenze inqwelo entsha, nithabathe iimazi ezimbini ezintsha ezanyisayo, ezingazanga zibekwe dyokhwe, nizibophe enqwelweni, niwanqande amathole azo kuzo, aye ekhaya.

8Noyithabatha ke ityeya kaYehova, niyibeke enqwelweni; neempahla zegolide enizibuyisela kuye, ezilidini letyala, nizibeke etyeyeni ecaleni layo, niyindulule ihambe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Nize nikhangele: ukuba ithe yenyuka ngendlela yomda wayo, yaya eBhete-shemeshe, woba nguye osenzele obu bubi bukhulu; ke ukuba kuthe akwabo njalo, sòthi sazi ukuba àsibethwe sisandla sakhe, sihlelwe sisihlo.

10Enjenjalo amadoda; athabatha iimazi ezintsha ezanyisayo zambini, azibopha enqwelweni, awavalela amathole azo ekhaya.

11Ayibeka ityeya kaYehova enqwelweni, netyeya ineempuku zegolide nemifanekiso yamathumba awo.

12Iimazi ezintsha zathi ngqo ngendlela, ngendlela yaseBhete-shemeshe, zahamba ngomendo, zihamba zinxakama, àzanxaxhela ekunene nasekholo; izikhulu zamaFilisti zizilandela, zada zaya emdeni waseBhete-shemeshe.

13AbaseBhete-shemeshe babevuna ingqolowa entilini; bawaphakamisa amehlo abo, bayibona ityeya, bavuya bakuyibona.

14Inqwelo yafika entsimini kaYoshuwa waseBhete-shemeshe, yema khona. Bekukho ilitye elikhulu khona. Bayicanda imithi yenqwelo, bazinyusa iimazi ezintsha ezo zalidini elinyukayo kuYehova.

15AbaLevi bayithula ityeya kaYehova, netyeya ebinayo inempahla yegolide, bazibeka elityeni elo likhulu. Amadoda aseBhete-shemeshe ke anyusa amadini anyukayo, abingelela imibingelelo ngaloo mini kuYehova.

16Zabona izikhulu ezihlanu zamaFilisti, zabuyela e-Ekron kwangaloo mini.

17Ngawo la amathumba egolide awawabuyiselayo amaFilisti kuYehova, alidini letyala: elaseAshdode lalilinye, elaseGaza lalilinye, elaseAshkelon lalilinye, elaseGati lalilinye, elase-Ekron lalilinye;

18kunye neempuku zegolide ngokwenani lemizi yonke yamaFilisti yezikhulu ezihlanu, kuthabathela emizini enqatyisiweyo, kuse kwimizana yabasemaphandleni; kuse etyeni elikhulu, abayimisa kulo ityeya kaYehova, lilingqina unanamhla entsimini kaYoshuwa waseBhete-shemeshe.

19Wabetha emadodeni aseBhete-shemeshe, ngokuba ayikhangakhangelayo ityeya kaYehova; wabulala ebantwini abo amadoda angamashumi asixhenxe emadodeni angamawaka angamashumi amahlanu. Benza isijwili abantu, ngokuba uYehova ebabulele abantu ngobulalo olukhulu.

20Athi amadoda aseBhete-shemeshe, Ngubani na onako ukuma phambi koYehova, lo Thixo uyingcwele? Uya kunyuka aye kubani na, ukusuka kwakhe kuthi?

21Athuma abathunywa kubemi baseKiriyati-yeharim, esithi, AmaFilisti ayibuyisile ityeya kaYehova; yihlani, nize kuyinyusela kuni.

USamuweli I 7

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Eza amadoda aseKiriyati-yeharim, ayinyusa ityeya kaYehova, ayizisa endlwini ka-
Abhinadabhi, endulini, angcwalisa uElazare, unyana wakhe, ukuba ayigcine ityeya
kaYehova.

USamuweli engumgwebi kwaSirayeli

2Kwathi, ihleli eKiriyati-yeharim apho ityeya, zanda iintsuku, zayiminyaka emashumi
mabini; yamlandela uYehova ngesimema yonke indlu kaSirayeli.

3Wathi ke uSamuweli kwindlu yonke kaSirayeli, Ukuba nibuyela kuYehova ngentliziyo
yenu yonke, basusenl ke phakathi kwenu oothixo bolunye uhianga nooAshtaroti,
nizimise iintliziyo zenu kuYehova, nikhonze yena yedwa: wonihlangula ke esandleni
samaFilisti.

4Oonyana bakaSirayeli babasusa ke ooBhahali nooAshtaroti, bakhonza uYehova
yedwa.

5Wathi uSamuweli, Wahlanganiseleni eMizpa onke amaSirayeli, ndinithandazele
kuYehova.

6Ahlanganiselana eMizpa, akha amanzi, awaphalaza phambi koYehova, azila ukudla
ngaloo mini, athi khona, Sonile kuYehova. Wabalawula uSamuweli oonyana
bakaSirayeli eMizpa.

7Eva amaFilisti ukuba oonyana bakaSirayeli bahlanganiselene eMizpa, zenyuka
izikhulu zamaFilisti, zawaphumela amaSirayeli. Beva oonyana bakaSirayeli, bawoyika
amaFilisti.

8Bathi oonyana bakaSirayeli kuSamuweli, Musa ukuyeka ukusikhalela kuYehova
uThixo wethu, asisindise esandleni samaFilisti.

9USamuweli wathabatha itakane elanyayo, walinyusa lalidini elinyukayo lonke liphela
kuYehova. Wakhala uSamuweli kuYehova ngenxa yamaSirayeli; uYehova
wamphendula.

10Kwathi, xa uSamuweli alinyusayo idini elinyukayo, amaFilisti asondela, esiza kulwa
namaSirayeli. UYehova wadudumisa ngezwi elikhulu loo mini kumaFilisti,
wawaqungaqunga; abulawa phambi kwamaSirayeli.

11Aphuma amadoda akwaSirayeli eMizpa, awasukela amaFilisti, awabulala, esa
phantsi kweBhetekare.

12USamuweli wathabatha ilitye, walimisa phakathi kweMizpa neShen, wathi igama
lalo yiEbhenezere; wathi, Kude kwaba lapha uYehova esinceda.

13Athotywa ke amaFilisti, akaba saphinda eze emdeni wakwaSirayeli; sachasana
namaFilisti isandla sikaYehova yonke imihla kaSamuweli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Yabuyiselwa kumaSirayeli imizi leyo abeyithimbile amaFilisti kumaSirayeli, ithabathela e-Ekron yesa eGati; nemida yayo ayihlangula amaSirayeli esandleni samaFilisti. Laxola ke phakathi kwamaSirayeli nama-Amori.

15USamuweli waye engumlawuli kumaSirayeli yonke imihla yobomi bakhe;

16ehamba iminyaka ngeminyaka, ejikeleza eBheteli, naseGiligali, naseMizpa, ewalawula amaSirayeli kwezo ndawo zonke;

17ebuyela eRama, ngokuba yayikhona indlu yakhe. Wawalawula nakhona amaSirayeli, wákha isibingelelo kuYehova khona.

USamuweli I 8

Abantu bafuna ukumkani

1Kwathi, xenikweni uSamuweli alixhego, wabamisa oonyana bakhe baba ngabagwebi kumaSirayeli.

2Igama lonyana wakhe wamazibulo lalinguYoweli, igama lowesibini lalinguAbhiya; bengabagwebi eBher-shebba.

3Oonyana bakhe abahambanga ngendlela yakhe, banabela inzuzo embi, bamkela izicengo, basijika isigwebo.

4Aza ahlanganisana onke amadoda amakhulu akwaSirayeli, eza kuSamuweli eRama,

5athi kuye, Uyabona, wàluphele wena, oonyana bakho abahambi ngendlela yakho; simisele ngoko ukumkani wokusilawula, njengeentlanga ezi zonke.

6Laba libi elo zwi emehlweni kaSamuweli, xa bathi, Sinike ukumkani wokusilawula. Wathandaza uSamuweli kuYehova.

7Wathi uYehova kuSamuweli, Liphulaphule izwi labantu entweni yonke abayithethayo kuwe; ngokuba ingenguwe abamgibileyo, bagibé mna, ukuze ndingabi ngukumkani kubo.

8Ngokwezenzo zonke abazenzileyo, kuselokwemini endabanyusayo eYiputa kwada kwaba namhla, bandishiya, bakhonza thixo bambi, benjenjalo namhla nakuwe.

9Liphulaphule ngoko izwi labo; kodwa uze ubaqononondise kakuhle, ubaxelele isiko aya kuphatha ngalo ukumkani oya kuba ngukumkani wabo.

10Wabaxelela ke uSamuweli abo bantu babebiza ukumkani kuye onke amazwi kaYehova.

11Wathi, Lilo eli ísiko lokumkani oya kuba ngukumkani kuni: Oonyana benu uya kubathabatha abamisele yena ezinqwelweni zakhe zokulwa, nasemahasheni akhe akhwelwayo, babaleke phambi kwenqwelo yakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

12abamisele yena babe ngabathetheli bamawaka, naBathetheli bamashumi ngamahlanu, balíme amasimi akhe, bavune ukutya kwakhe, benzé iimpahla zakhe zemfazwe neempahla zenqwelo yakhe.

13Iintombi zenu wozithabatha zibe ngabaqholikazi, nabapheki, nabosi bezonka.

14Amasimi enu wówathabatha, nezidiliya zenu, nezinquma zenu ezona zilungileyo, azinike abakhonzi bakhe;

15nesishumi sembewu yenu asibize, nesezidiliya zenu, asinike ababusi bakhe nabakhonzi bakhe.

16Abakhonzi benu uya kubathabatha, nabakhonzazana benu, namadodana enu, namaesile enu, enze umsebenzi wakhe;

17isishumi sempahla yenu emfutshane asibize; nina nibe ngabakhonzi bakhe.

18Niya kukhala ngaloo mini ngokumkani wenu enazinyulelayo, anganiphenduli uYehova ngaloo mini.

19Àbavuma abantu ukuliphulaphula ilizwi likaSamuweli; bathi, Hayi, inene, masibe nokumkani;

20nathi sibe njengeentlanga ezi zonke, asilawule ukumkani wethu, aphume phambi kwethu, alwe iimfazwe zethu.

21Waweva uSamuweli onke amazwi abantu, wawathetha ezindlebeni zikaYehova.

22Wathi uYehova kuSamuweli, Liphulaphule izwi labo, ubenzele ukumkani. Wathi uSamuweli kumadoda akwaSirayeli, Hambani niye elowo emzini wakhe.

USamuweli I 9

Ukuhlangana kukaSawule noSamuweli

1Kwakukho ndoda yakwaBhenjamin, igama lalinguKishe, unyana ka-Abhiyeli, unyana kaTserore, unyana kaBhekorati, unyana ka-Afiya, unyana womBhenjamin, indoda esisityebi.

2Yayinonyana ogama linguSawule, umfo omtsha, omhle, ebekungekho mfo phakathi koonyana bakaSirayeli umhle kunaye; ethabathela emagxeni akhe anyuse, ubemde kubantu bonke.

3Ke kaloku uKishe, uyise kaSawule, walahlekelwa ziimazi zakhe zamaesile. Wathi uKishe kuSawule unyana wakhe, Khawuthabathe omnye kubafana ahambe nawe, usuke uye kuzifuna iimazi zamaesile.

4Wacanda kweleentaba lakwaEfrayim, wacanda nasezweni laseShalisha; àbazifumana. Wacanda nasezweni laseShahalim, azabakho; wacanda nasezweni lakwaBenjamin, àbazifumana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Bakufika ezweni lakwaTsufi, uSawule wathi kumfana obenaye, Hamba sibuye, hleze ubawo azincame iimazi zamaesile, abe nesithukuthezi ngathi.

6Wathi ke yena kuye, Uyabona ke, kulo mzi kukho umntu kaThixo; ngumntu ozukileyo; konke akuthethayo kuyenzeka ngenene. Makhe siye khona ke, mhlawumbi angasibonisa indlela yethu esohamba ngayo.

7Wathi uSawule kumfana lowo, Yabona, sihamba nje, siya kumnika ntoni na umntu lowo? Kuba isonka siphelile empahleni yethu; akukho sipho singasisa kumntu kaThixo.

8Into esinayo yintoni na? Waphinda umfana wamphendula uSawule, wathi, Nanku kufumaneke esandleni sam isahlulo sesiné seshekele yesilivere; ndosinika umntu kaThixo, asibonise indlela yethu.

9Ngaphambili, kwaSirayeli, umntu xa aya kubuza kuThixo ubesithi, Hamba siye kwimboni; ngokuba onguprofeti namhla bekusithiwa yimboni ngenxa engaphambili.

10Wathi uSawule kumfana lowo, Lihle ilizwi lakho; hamba siye. Bahamba baya kuloo mzi, apho umntu kaThixo wayekhona.

11Bathi benyuka eqhineni lomzi, baqubisana nomthinjana, uphuma usiya kukha amanzi; bathi kuwo, Ikho na apha imboni?

12Wabaphendula, wathi, Ikho, nantso phambi kwenu; khawulezani ngoku, kuba ifike namhlanje kulo mzi, ngokuba abantu banombingelelo namhla esigangeni;

13xa ningena kulo mzi, noyifumana ingekenyuki iye kudla esigangeni; kuba abayi kudla abantu ingekafiki; ngokuba usikelelwa yiyo umbingelelo, baze badle emveni koko abamenyiweyo; nyukani ngoku, ngokuba noyifumana ngoku.

14Benyuka ke baya kuloo mzi. Bakubona ukuba bayangena kuloo mzi, nanko uSamuweli ephuma equbisana nabo, eza kunyuka aye esigangeni.

15Ke kaloku uYehova wayeyityhilele indlebe kaSamuweli ngosuku olungaphambi kokuza kukaSawule, esithi,

16Ngeli xesha ngomso, ndiya kuthumela kuwe indoda yasezweni lakwaBhenjamin, ukuze uyithambise, ibe yingànga yabantu bam amaSirayeli, ibasindise abantu bam esandleni samaFilisti; ngokuba ndibabonile abantu bam; kuba ukukhala kwabo kufikile kum.

17USamuweli wambona uSawule. UYehova wamphendula, wathi, Nantso loo ndoda ndibe ndithethe kuwe ngayo. Yiyo eya kuphatha ubukhosi phezu kwabantu bam.

18Wasondela uSawule kuSamuweli esangweni, wathi, Khawundixelele, iphi na apha indlu yemboni?

© 1975 Bible Society of South Africa.

19USamuweli wamphendula uSawule, wathi, Ndim imboni; nyuka phambi kwam uye esigangeni, nidle nam namhla, ndikundulule ngomso, ndikuxelele konke okusentliziyweni yakho.

20Ke iimazi zamaesile esekuntsuku ntathu namhla zikulahlekile, musa ukuyibekela kuzo intliziyo yakho; ngokuba zifunyenwe. Kokukabani na konke okunqwenelekayo kwaSirayeli? Asikokwakho na, nokwendlu yonke kayihlo?

21Waphendula uSawule, wathi, AndingumBhenjamin yini na, wesizwe esincinanana kwaSirayeli? Nomzalwane wakowethu awuphantsi na emizalwaneni yonke yesizwe sakwaBhenjamin? Yini na ukuba uthethe ilizwi elinje kum?

22USamuweli wamthabatha uSawule nomfana lowo, wabangenisa egumbini, wabanika indawo yobukhulu phakathi kwabamenyiweyo abo, bengamadoda akumashumi amathathu.

23Wathi uSamuweli kumpheki, Ethe isabelo endakunikayo, ndathi kuwe, Sibeke.

24Wawuzisa umlenze lowo nento ephezu kwawo, wabeka phambi koSawule. Wathi uSamuweli, Nantso into endikubekeleyo, ibekiwe phambi kwakho, yidla; ngokuba ibigcinelwe wena, ukuba ibe yeyeli xesha, kususela koko ndathi, Ndibamemile abantu. Wadla uSawule noSamuweli ngaloo mini.

25Behla esigangeni apho, beza phakathi komzi; wathetha noSawule phezu kwendlu.

26Bavuka kusasa; kwathi, xa kunyuka isifingo, uSamuweli wamemeza kuSawule phezu kwendlu, esithi, Vuka, ndikugoduse. Wavuka uSawule; baphuma baya phandle bobabini, yena noSamuweli.

27Behlile, baya ekupheleni komzi, wathi uSamuweli kuSawule, Yitsho kumfana lo agqithele phambi kwethu (wagqitha ke); khawume wena ngoku, ndikuvise ilizwi likaThixo.

USamuweli I 10

USamuweli uthambisa uSawule abe ngukumkani

1USamuweli wathabatha igutyana leoli, wamgalela entloko, wamanga, wathi, Inene, uYehova ukuthambisile ukuba ube yingànga yelifa lakhe.

2Ekumkeni kwakho kum namhla, ùya kufumana amadoda amabini ngasengcwabeni likaRakeli, emdeni wakwaBhenjamin, eTseletsa; aya kuthi kuwe, Zifunyenwe iimazi zamaesile obuye kuzifuna. Yabona, úkuyekile uyihlo ukuthetha ngeemazi zamaesile ezo; únesithukuthezi ngani, esithi, Ndiya kuthini na ngonyana wam.

3Ùgqithile apho, wòqhubela phambili, ufíke kumoki weTabhore, uhlangane khona namadoda amathathu enyuka esiya kuThixo eBheteli, enye ithwele amatakane amathathu, enye ithwele iintenda zezonka ezithathu, enye ithwele intsuba yewayini.

4Okubuza ukuphila kwakho, akunike izonka ezibini; uzithabathe ezandleni zawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Emveni koko ùya kufika eGibheha kaThixo, apho kukhoyo ikampu yamaFilisti; kuthi,
xa ufikileyo emzini apho, uthane nqiphu negqiza labaprofeti, lisihla livela esigangeni,
phambi kwalo ingumrhubhe, nengqongqo, nogwali, nohadi, beprofeta.

6UMoya kaThixo wokufikela ngamandla, uprofete ndawonye nabo, uguquke ube
mntu wumbi.

7Kothi, xa ithe yafika kuwe loo miqondiso, uzenzele njengoko siya kufumana ngako
isandla sakho; ngokuba uThixo unawe;

8uhle uye phambi kwam eGiligali. Yabona, ndiyehla, ndiza kuwe, ukuze ndinyuse
amadini anyukayo, ndibingelele imibingelelo yoxolo. Wòlinda imihla esixhenxe ndide
ndize kuwe, ndikwazise oko uya kukwenza.

9Wathi uSawule, akuthi khwitshi ukuba emke kuSamuweli, uThixo wamguqula,
wanantliziyo yimbi. Yafika yonke loo miqondiso kwangayo loo mini.

10Bafika eGibheha apho, nalo igqiza labaprofeti limkhawulela; wamfikela ngamandla
uMoya kaThixo, waprofeta phakathi kwabo.

11Kwathi, bakumbona bonke ababemazi ngaphambili, eprofeta ndawonye
nabaprofeti, bathi abantu omnye komnye, Uhliwe yintoni na unyana kaKishe?
Ukúbaprofeti noSawule na?

12Waphendula umntu wakhona, wathi, Ngubani na uyise wabo? Ngenxa yoko
kwabakho umzekeliso wokuthi, Ukúbaprofeti noSawule na?

13Wagqiba ukuprofeta, waya esigangeni.

14Wathi uyisekazi kaSawule kuye, nakumfana lowo, Beniye phi na? Wathi, Besifuna
iimazi zamaesile; sakùbona ukuba asizifumani, saya kuSamuweli.

15Wathi uyisekazi kaSawule, Khawundixelele ukuba utheni na uSamuweli kuni.

16Wathi uSawule kuyisekazi, Usixelele ukuba zifunyenwe iimazi zamaesile. Ke
ngobukumkani, abethethe ngabo uSamuweli, akamxelelanga nto.

17Ke kaloku uSamuweli wabahlabela umkhosi abantu;

18beza kuYehova eMizpa. Wathi koonyana bakaSirayeli, Utsho uYehova, uThixo
kaSirayeli, ukuthi, Ndawanyusa mna amaSirayeli eYiputa, ndanihlangula esandleni
samaYiputa, nasesandleni sezikumkani zonke ezanixinayo.

19Namhla ke nimcekisile nina uThixo wenu, owanisindisayo ebubini benu bonke,
nasekubandezelweni konke, nathi kuye, Símisele ukumkani phezu kwethu. Kaloku ke
zimiseni phambi koYehova ngokwezizwe zenu, nangokwamawaka enu.

20Wazisondeza ke uSamuweli zonke izizwe zakwaSirayeli, kwathatyathwa isizwe
sakwaBhenjamin.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Wasisondeza isizwe sakwaBhenjamin ngokwemizalwane yaso, kwathatyathwa umzalwane wakwaMatri, kwathatyathwa ke uSawule unyana kaKishe. Bamfuna, àbamfumana.

22Babuya babuza kuYehova, bathi, Uselefikile na umntu? Wathi uYehova, Nanko ezímele yena phantsi kwempahla.

23Babaleka, bamthabatha apho. Wema phakathi kwabantu, wamde kubantu bonke, ethabathela emagxeni anyuse.

24Wathi uSamuweli kubantu bonke, Niyambona na lo unyuliweyo nguYehova; ukuba akukho unjengaye ebantwini bonke? Baduma bonke abantu, bathi, Makadle ubomi ukumkani!

25USamuweli walithetha ebantwini isiko lobukumkani, walibhala encwadini, wayibeka phambi koYehova. USamuweli wabandulula abantu bonke; baya elowo endlwini yakhe.

26Naye uSawule waya endlwini yakhe eGibheha; lahamba naye iqela elinobukroti, elintliziyo zichukunyisiweyo nguThixo.

27Ke bona abangamatshijolo bathi, wóthini na ukusisindisa lo? Bamdela; àbamzisela mnikelo. Yena wanga akeva.

USamuweli I 11

USawule ukhulula iYabheshe yaseGiliyadi kuma-Amon

1Ke kaloku wenyuka uNahashe, umAmon, wayingqinga iYabheshe yaseGiliyadi. Athi onke amadoda aseYabheshe kuNahashe, Simisele umnqophiso, sikukhonze.

2Wathi kuwo uNahashe umAmon, Ndiya kunimisela umnqophiso wokuthi, ndinikrukre nonke iliso lasekunene, ndikubeke oko phezu kwamaSirayeli onke, kube sisingcikivo.

3Athi kuye amadoda amakhulu aseYabheshe, Siyeke iintsuku ezisixhenxe, sithume abathunywa emideni yonke yakwaSirayeli; sithi, ukuba akubangakho usisindisayo, siphume size kuwe.

4Bafika abathunywa eGibheha yakwaSawule, bawathetha loo mazwi ezindlebeni zabantu; baliphakamisa bonke abantu izwi labo, balila.

5Nanko uSawule, ehamba emva kweenkomo, evela ezindle; wathi uSawule, Banantoni na abantu, belila nje? Bamxelela ke amazwi amadoda aseYabheshe.

6UMoya kaYehova wamfikela ngamandla uSawule ekuwaveni kwakhe la mazwi, wavutha umsindo wakhe kunene.

7Wathabatha iinkomo zambini, wazityatya, wathumela emideni yonke yakwaSirayeli ngesandla sabathunywa, esithi, Ongathanga aphume alandele uSawule, alandele

© 1975 Bible Society of South Africa.

uSamuweli, ziya kwenjiwa nje iinkomo zakhe. Abantu bafikelwa kukunkwantya nguYehova, baphuma njengandoda-nye.

8Wababala eBhezeki; oonyana bakaSirayeli bangamawaka angamakhulu amathathu, namadoda akwaYuda angamawaka angamashumi amathathu.

9Bathi kubathunywa abafikileyo, Yitshoni kumadoda aseYabheshe yaseGiliyadi ukuthi, Ngomso ukufudumala kwelanga, niya kukhululwa. Bemka abathunywa, bawaxelela amadoda aseYabheshe; avuya ke.

10Athi amadoda aseYabheshe, Ngomso siya kuphuma size kuni; nenze kuthi ngako konke okulungileyo emehlweni enu.

11Kwathi ngengomso uSawule wabamisa abantu bazizihlwele ezithathu, bafika phakathi kwempi ngomlindo wokusa, bawabulala ama-Amon yada yafudumala imini. Kwathi aseleyo aphangalaliswa; akwasala kuwo nokuba abe mabini ndaweni-nye.

12Bathi abantu kuSamuweli, Ngoobani na abo babesithi, USawule uya kuba ngukumkani kuthi na? Waziseni loo madoda, siwabulale.

13Wathi uSawule, Makungabulawa mntu namhla; ngokuba namhla uYehova wenze usindiso kwaSirayeli.

14Wathi uSamuweli ebantwini, Hambani, siye eGiligali, sibusungule khona ubukumkani.

15Baya ke bonke abantu eGiligali; bamenza ukumkani uSawule phambi koYehova eGiligali apho; wabingelela apho imibingelelo yoxolo phambi koYehova. Bavuya kunene apho ooSawule namadoda onke akwaSirayeli.

USamuweli I 12

Amazwi kaSamuweli esahlukana noSirayeli

1Wathi uSamuweli kumaSirayeli onke, Yabonani, ndiliphulaphule izwi lenu ngako konke enakuthethayo kum, ndanimisela ukumkani.

2Kaloku nanko ukumkani ehamba phambi kwenu. Ke mna ndaluphele, ndiyingwevu; nabo oonyana bam benani. Mna ndihambé phambi kwenu kwasebuncinaneni bam unanamhla.

3Nanku ndikho; ngqinani ngam phambi koYehova, naphambi komthanjiswa wakhe: ndathabatha nkomo kabani na? ndathabatha esile likabani na? ndacudisa bani na? ndavikiva bani na? ndathabatha esandleni sikabani na ucamagusho lokumfamekisa amehlo am? ndonibuyisela.

4Athi, Akusicudisanga, akusivikivanga, akuthabathanga nto sandleni samntu.

5Wathi kubo, UYehova ulingqina ngani, nomthanjiswa wakhe ulingqina namhla, ukuba anifumananga nto sandleni sam. Bathi, Úlingqina.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi uSamuweli ebantwini, NguYehova owenza ooMoses noAron; owenyusa ooyihlo ezweni laseYiputa.

7Kaloku ke yimani, ndimangalelane nani phambi koYehova ngayo yonke imisebenzi yobulungisa kaYehova, ayenzileyo kuni nakooyihlo.

8Xenikweni uYakobi waya eYiputa, bakhala ooyihlo kuYehova: uYehova wathuma ooMoses noAron, babakhupha ooyihlo eYiputa, bababeka kule ndawo.

9Bamlibala uYehova uThixo wabo; wathengisa ngabo esandleni sikaSisera, umthetheli-mkhosi waseHatsore, nasesandleni samaFilisti, nakwesokumkani wakwaMowabhi, balwa nabo.

10Bakhala kuYehova, bathi, Sonile, ngokuba samlahlayo uYehova, sakhonza ooBhahali nooAshtaroti; kaloku ke sihlangule esandleni seentshaba zethu, sikukhonze.

11UYehova wathuma ooYerubhahali, noBhedan, noYifeta, noSamuweli, wanihlangula esandleni seentshaba zenu ngeenxa zonke, nahlala nonwabile.

12Kwathi nakubona uNahashe, ukumkani woonyana baka-Amon, esiza kulwa nani, nathi kum, Hayi, masilawulwe ngukumkani, uYehova uThixo wenu engukumkani wenu.

13Nanko ke ukumkani enimnyulileyo, enimbizileyo; yabonani, uYehova unimisele ukumkani.

14Anaba beniya kumoyika uYehova, nimkhonze, niliphulaphule ilizwi lakhe, ningawuphikisi umlomo kaYehova, nithane mbende noYehova uThixo wenu, nina nokumkani onilawulayo, ukuze kulunge.

15Ke ukuba anithanga niliphulaphule izwi likaYehova, ukuba nithe nawuphikisa umlomo kaYehova, isandla sikaYehova sonichasa, njengokuba sachasa ooyihlo.

16Nangoku yimani, niyibone le nto inkulu, ayenzayo uYehova phambi kwenu.

17Àkuvunwa ingqolowa yini na namhla? Ndiya kunqula uYehova ahlise iindudumo nemvula; nazi, nibone ukuba ububi benu bukhulu enibenzileyo phambi koYehova ngokubiza ukumkani.

18USamuweli wanqula uYehova; waza uYehova wahlisa iindudumo nemvula ngaloo mini. Bonke abantu bamoyika kunene uYehova noSamuweli.

19Bathi bonke abantu kuSamuweli, Bathandazele abakhonzi bakho kuYehova uThixo wakho, ukuze singafi; ngokuba ezonweni zethu songeze ububi bokubiza ukumkani.

20Wathi uSamuweli ebantwini, Musani ukoyika. Nina nibenzile bonke obo bubi; noko ke musani ukutyeka ekumlandeleni uYehova; mkhonzeni uYehova ngentliziyo yenu yonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ize ningatyeki; ngokuba ningába nilandela izinto ezililizé, ezingenakunyusa, ezingenakuhlangula, ngokuba zililizé.

22Kuba uYehova akayi kubashiya abantu bakhe, ngenxa yegama lakhe elikhulu; ngokuba kwakholeka kuYehova ukunenza abantu bakhe.

23Kananjalo makube lee kum ukuthi ndone kuYehova ngokuyeka ukunithandazela; ndoniyalela indlela elungileyo ethe tye.

24Kodwa moyikeni uYehova, nimkhonze ngenyaniso, ngentliziyo yenu yonke; ngokuba kuboneni okukhulu anenzele khona.

25Ke ukuba niphikele ukwenza, nithe nenza okubi, nocinywa, nina kwanokumkani wenu.

USamuweli I 13

Imfazwe kaSawule namaFilisti

1USawule ebeneminyaka ezelwe, akuba ngukumkani, waba ngukumkani kumaSirayeli iminyaka emibini.

2USawule wazinyulela amawaka amathathu kumaSirayeli; amawaka amabini ayenoSawule eMikmas nakweleentaba laseBheteli, iwaka elinye laye linoYonatan eGibheha yakwaBhenjamin. Abantu abaseleyo wabandulula, baya elowo ententeni yakhe.

3UYonatan wayoyisa ikampu yamaFilisti eseGebha, eva amaFilisti. USawule wavuthela ngesigodlo ezweni lonke, esithi, Makeve amaHebhere.

4AmaSirayeli onke eva kusithiwa, USawule uyoyisile ikampu yamaFilisti; kananjalo amaSirayeli azinukisile kumaFilisti. Abantu bahlatyelwa umkhosi, beza bamlandela uSawule baya eGiligali.

5AmaFilisti azihlanganisela ukulwa namaSirayeli: iinqwelo zokulwa zaba ngamashumi omathathu amawaka, nabamahashe bangamawaka amathandathu, abantu bangangentlabathi eselunxwemeni lolwandle ukuba baninzi; anyuka ke amisa iintente eMikmas phambi kweBhetaven.

6Abona amadoda akwaSirayeli ukuba abandezelekile (kuba abantu bebefingiwe), abantu bazímela emiqolombeni, nasezimfanteni, nasezingxondorheni, nasemiweweni, nasemihadini.

7Ke kaloku kwawela amaHebhere eYordan, aya ezweni lakwaGadi nelaseGiliyadi. Ke yena uSawule ebeseseGiligali; abantu bonke bamlandela begubha.

8Walinda iintsuku zasixhenxe, ngokwexesha elibe limisiwe nguSamuweli, àkafika uSamuweli eGiligali; bamphalala abantu bemka kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wathi uSawule, Zisani kum idini elinyukayo nemibingelelo yoxolo. Wenyusa idini elinyukayo.

10Kwathi, xa agqibileyo ukulinyusa idini elinyukayo, nanko uSamuweli efika; waphuma uSawule waya kumkhawulela, ukuba ambulise.

11Wathi uSamuweli, Yintoni le uyenzileyo? Wathi uSawule, Kungokuba bendibona abantu bendiphalala, besimka kum, nawe ungàfiki ngexesha elibe limisiwe, namaFilisti ehlanganiselana eMikmas;

12ndathi, Kaloku amaFilisti aya kuda ehle eze kum eGiligali, ndingambongozanga uYehova; ndazinyanzela, ndalinyusa idini elinyukayo.

13Wathi uSamuweli kuSawule, Wenzé ngobudenge; akuwugcinanga umthetho kaYehova uThixo wakho awakuwiselayo; ngokuba uYehova ange ebuzinzisile kaloku ubukumkani bakho kwaSirayeli, kude kuse ephakadeni.

14Ke ngoko ubukumkani bakho abusayi kuma. UYehova uzifunele indoda engantliziyo yakhe; wayimisa uYehova ukuba ibe yingànga yabantu bakhe; ngokuba akukugcinanga oko uYehova akuwisele umthetho ngako.

15Wesuka uSamuweli wenyuka, wemka eGiligali, waya eGibheha yakwaBhenjamin. USawule wababala abantu abafunyenwe benaye, bengamadoda akumakhulu amathandathu.

16USawule, noYonatan unyana wakhe, nabantu abafunyenwe benabo, bahlala eGibheha yakwaBhenjamin. AmaFilisti amisa iintente eMikmas.

17Kwaphuma amatutu emkhosini wamaFilisti, engamaqela amathathu: elinye iqela labheka ngendlela yaseOfra ezweni lakwaShuwali;

18elinye iqela labheka endleleni yaseBhete-horon; elinye iqela labheka endleleni yasemdeni ovelela umfula weTsebhoyim, uye entlango.

19Ke bekungekho mkhandi ezweni lonke lakwaSirayeli; ngokuba amaFilisti ebesithi, Aya kuze amaHebhere enze amakrele neentshuntshe.

20AmaSirayeli onke abesihla aye kumaFilisti, alole elowo isikhali sakhe, nesitshetshe sepuluwa yakhe, nezembe lakhe, negaba lakhe,

21zakuba nezikhewu iintlangothi zamagaba, nezezitshetshe zeepuluwa, nezeefolokhwe, nezamazembe, nezokubaza iimviko.

22Kwathi ke ngomhla wokulwa, akwafunyanwa krele nantshuntshe esandleni sabantu bonke ababenoSawule noYonatan; ke kuSawule noYonatan unyana wakhe bezikho.

23Kwaphuma amaFilisti ekampini, aya engxingweni yaseMikmas.

USamuweli I 14

© 1975 Bible Society of South Africa.

Izenzo zikaYonatan nokoyisa kwakhe amaFilisti

1Kwathi ngamhla uthile, uYonatan unyana kaSawule wathi kumfana ophatha iintonga zakhe, Hamba siphumele, siye ekampini yamaFilisti ephesheya phaya.

2Akamxelela uyise. USawule ke wayehleli ekupheleni kweGibheha phantsi komrharnate oseMigron. Abantu ababenaye babekumakhulu amathandathu amadoda,

3enoAhiya, unyana ka-Ahitubhi, umkhuluwa kaIkabhodi, unyana kaPinehasi, unyana kaEli, umbingeleli kaYehova eShilo, enxibe iefodi. Bebengazi abantu ukuba uYonatan uyile.

4Ezingxingweni, abefuna ukuphumela kuzo uYonatan, aye ekampini yamaFilisti, bekukho itsolo lengxondorha ngapha; kukho itsolo lengxondorha ngaphaya; igama lelinye libe linguBhotsetse, igama lelinye linguSene.

5Okunye ukutsola bekuyintsika ngasentla malunga neMikmas, okunye kungasezantsi malunga neGibheha.

6Wathi ke uYonatan kumfana lowo uphatha iintonga zakhe, Hamba siphumele, siye ekampini yaba bangalukileyo; mhlawumbi uYehova wosisebenzela; ngokuba akukho sithintelo kuYehova ukuba asindise ngabaninzi nangabambalwa.

7Wathi umphathi weentonga zakhe kuye, Yenza konke okusentliziyweni yakho; singa phaya; yabona, ndinawe ngokwentliziyo yakho.

8Wathi uYonatan, Yabona, siyaphumela, siya kulaa madoda, siya kuzibonakalisa kuwo.

9Ukuba athe kuthi, Hlalani, side size kuni; siya kuma kuloo ndawo yethu, singenyuki siye kuwo.

10Ukuba athe, Nyukani nize kuthi: sonyuka, ngokuba uYehova uwanikele esandleni sethu; lowo woba ngumqondiso kuthi.

11Bazibonakalisa bobabini ekampini yamaFilisti; athi amaFilisti, Nanga amaHebhere ephuma emingxunyeni abezimele kuyo.

12Abaphendula amadoda asekampini ooYonatan nomphathi weentonga zakhe, athi, Nyukani nize kuthi, sinibonize. Wathi uYonatan kumphathi weentonga zakhe, Nyuka emva kwam; ngokuba uYehova uwanikele esandleni samaSirayeli.

13Wenyuka uYonatan, ekhasa ngezandla neenyawo, umphathi weentonga zakhe esemva kwakhe. Awa phambi koYonatan; nomphathi weentonga zakhe esemva kwakhe ebulala.

14Kwathi, ukuxabela kokuqala awaxabela ngako uYonatan nomphathi weentonga zakhe, kwaxatyelwa amadoda angathi amashumi mabini, esiqingatheni sendima eyiakile yentsimi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kwabakho umothuko emkhosini, nasezindle, nasebantwini bonke; ikampu namatutu bothuka nabo; wanyikima umhlaba; yaba sisothuso esivela kuThixo.

16Bakhangela ababoniseli bakaSawule, baseGibheha yakwaBhenjamin, nantso ingxokolo inyibilika; yaye ichithana yodwa.

17Wathi uSawule ebantwini ababenaye, Khanibale, nibone ukuba ngubani na ongekhoyo kuthi. Babala; yini? akakho uYonatan nomphathi weentonga zakhe.

18Wathi uSawule kuAhiya, Zisa apha ityeya kaThixo; ngokuba ityeya kaThixo ibinoonyana bakaSirayeli ngaloo mini.

19Kwathi, esathetha uSawule kumbingeleli, ingxokozelo yempi yamaFilisti yaya ikhula. Wathi uSawule kumbingeleli, Sibuyise umva isandla sakho.

20Bahlanganisana uSawule nabantu bonke ababenaye, baya kulwa; nalo ikrele lomntu limi kummelwane wakhe, isisaqunge esikhulu.

21Ke kaloku athi namaHebhere abekumaFilisti njengaphambili, abenyuke ngeenxa zonke, eza nawo emkhosini, esuka aphamba nawo, angakumaSirayeli la abenoSawule noYonatan.

22Kwanamadoda onke akwaSirayeli, abezimele kweleentaba lakwaEfrayim, eva ukuba amaFilisti asabile, áwalandela athana mbende nawo ekulweni.

23UYehova wawasindisa ke amaSirayeli ngaloo mini. Ukulwa kwegqitha eBhetaven.

24Amadoda akwaSirayeli ayeminyekile kukudinwa ngaloo mini. USawule wabafungisa abantu, esithi, Uqalekisiwe odla isonka kungekahlwi, ndide ndiziphindezelele ezintshabeni zam. Bonke abantu àbadla nento.

25Lonke ilizwe leza ehlathini; kwaye kukho ubusi phezu komhlaba.

26Bafika abantu ehlathini, nanko kuvuza ubusi. Akwabakho usa isandla emlonyeni wakhe; ngokuba abantu babesoyika isifungo.

27Ke uYonatan ubengamvanga uyise, ukubafungisa kwakhe abantu, wesa incam yentonga ebisesandleni sakhe, wayifaka enqatheni lobusi, wasibuyisela emlonyeni wakhe isandla sakhe; aqabuka amehlo akhe.

28Yaphendula indoda yasebantwini, yathi, Uyihlo ubafungisile wabafungisa abantu, esithi, Uqalekisiwe odla isonka, namhlanje. Babethé ncithi abantu liphango.

29Wathi uYonatan, Ubawo ulihlisele ishwangusha ilizwe; khanikhangele, amehlo am aqabukile, ngokuba ndive le ntwana yobusi.

30Ukuba babethé abantu badla, besidla namhla emaxhobeni eentshaba zabo abawafumeneyo, ngelubeke phi na ke ukugqithisela ukuba lukhulu ngoku uxabelo kumaFilisti?

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Bawaxabela ngaloo mini amaFilisti, bathabathela eMikmas besa eAyalon;
betyhafile kunene abantu.

32Baziphosa abantu emaxhobeni, bathabatha impahla emfutshane, neenkomo,
namathole eenkomo, baxhelela emhlabeni, abantu bayidla inegazi.

33Waxelelwa uSawule, kwathiwa, Uyabona, abantu bayona kuYehova ngokuyidla
inegazi. Wathi, Nitshinizile; qengqelani kum ilitye elikhulu ngoku.

34Wathi uSawule, Yithini saa phakathi kwabantu, nithi kubo, Zisani kum elowo
inkomo yakhe, elowo igusha yakhe, nixhelele apha, nidle; ningoni kuYehova
ngokuyidla inegazi. Bonke abantu bazisa elowo inkomo yakhe ngesandla sakhe
ngobo busuku, baxhelela khona.

35USawule wakha isibingelelo kuYehova, waqala ngaso ukwakha isibingelelo
kuYehova.

36Wathi uSawule, Masihle siwaphuthume amaFilisti ebusuku, siwaphange kude kuse
ngomso, singashiyi mntu kuwo. Bathi, Yenza konke okulungileyo emehlweni akho.
Wathi umbingeleli, Masisondele kuThixo apha.

37USawule wabuza kuThixo, esithi, Ndíhle ndiwalandele na amaFilisti? Wòwanikela
na esandleni samaSirayeli? Akamphendula loo mini.

38Wathi uSawule, Yizani apha, nonke nina zibonda zabantu, nazi, nibone ukuba
sikwini na esi sono namhlanje?

39Ngokuba ehleli nje uYehova osindise amaSirayeli, nokuba sibe sikuYonatan unyana
wam, ubeya kufa. Akwabakho umphendulayo ebantwini bonke.

40Wathi kumaSirayeli onke, Yibani ngelinye icala nina, ndibe ngelinye icala, mna
noYonatan unyana wam. Bathi abantu kuSawule, Yenza okulungileyo emehlweni
akho.

41Wathi uSawule kuYehova, Thixo kaSirayeli, velisa inyaniso. Kwathatyathwa ke
uYonatan noSawule, basinda abantu.

42Wathi uSawule, Yenzani amaqashiso kum noYonatan unyana wam. Kwathatyathwa
ke uYonatan.

43Wathi uSawule kuYonatan, Ndíxelele, yintoni na le nto uyenzileyo? UYonatan
wamxelela, wathi, Ndisuke ndeva intwana yobusi ngencam yentonga ebisesandleni
sam; nanku ndiya kufa.

44Wathi uSawule, UThixo makenjenje kum, aqokele ukwenjenje; inene, ukufa ùya
kufa, Yonatan.

45Bathi abantu kuSawule, Afe na uYonatan, owenze olu lusindiso lukhulu
kwaSirayeli? Makube lee oko! Ehleli nje uYehova, akusayi kuwa nonwele lwentloko

© 1975 Bible Society of South Africa.

yakhe emhlabeni; ngokuba usebenzisene noThixo namhla. Bamkhulula ke abantu uYonatan, akafa.

46Wenyuka uSawule ekuwalandeleni amaFilisti; athi amaFilisti aya kuloo ndawo yawo.

Isishwankathelo sombuso kaSawule

47Wabuthabatha ke uSawule ubukumkani bakwaSirayeli; walwa ngeenxa zonke neentshaba zakhe zonke, amaMowabhi, noonyana baka-Amon, namaEdom nookumkani baseTsobha, namaFilisti; wathi, ezindaweni zonke abheka kuzo, wawatyela.

48Wavelisa amandla, wawaxabela ama-Amaleki, wawahlangula amaSirayeli esandleni sâbo babewaphanga.

49Ke kaloku oonyana bakaSawule bebengooYonatan, noIshevi, noMalekishuwa. Ke amagama eentombi zakhe zombini ngawo la: igama leyamazibulo nguMerabhi, igama lenci nguMikali.

50Igama lomkaSawule belinguAhinowam, intombi ka-Ahimahatse. Igama lomthetheli womkhosi wakhe belinguAbinere, unyana kaNere, uyisekazi kaSawule.

51Uyise kaSawule ubenguKishe; uNere, uyise ka-Abhinere, wayengunyana ka-Abhiyeli.

52Kwaye kunzima ukulwa namaFilisti yonke imihla kaSawule; ngoko uSawule ubesithi akubona indoda eligorha nokuba yiyiphi, nendoda enobukroti nokuba yiyiphi, ayithabathele kuye.

USamuweli I 15

USawule uyawoyisa ama-Amaleki

1Wathi uSamuweli kuSawule, UYehova wandithuma ukuba ndikuthambise ube ngukumkani kubantu bakhe, kumaSirayeli. Wáphulaphule ke ngoko amazwi kaYehova.

2Utsho uYehova wemikhosi, ukuthi, Ndikukhangéle konke awakwenzáyo ama-Amaleki kumaSirayeli, okokuba awathintelayo endleleni ekunyukeni kwawo eYiputa.

3Yiya ngoko, uwaxabele ama-Amaleki, nikusingele phantsi konke anako, ningawacongi; uze ubulale, uthabathela kwindoda use kwinkazana, uthabathela kolunyulweyo use kowanyayo, uthabathela kwinkomo use kwimvu, uthabathela kwinkamela use kwiesile.

4Wababiza ke abantu, wababala eTelayim; amabini amakhulu amawaka omqikela; alishumi lamawaka amadoda akwaYuda.

5USawule wafika kumzi wama-Amaleki walalela esihlanjeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi uSawule kumaKeni, Hambani nihle, nimke kuma-Amaleki, hleze ndiniquke nawo; nina nabenzela inceba bonke oonyana bakaSirayeli ekunyukeni kwabo eYiputa. Emka ke amaKeni kuma-Amaleki.

7USawule wawaxabela ama-Amaleki, wathabathela eHavila wada waya eShure, ekhangelene neYiputa.

8Wambamba uAgagi ukumkani wama-Amaleki ehleli, wabasingela phantsi bonke abantu ngohlangothi lwekrele.

9USawule nabantu bamsindisa uAgagi, neyona ilungileyo impahla emfutshane, neenkomo, neyalekelwayo, neemvana, izinto zonke ezilungileyo àbavuma ukuzisingela phantsi zona; ke yonke impahla edelekileyo, egxugxileyo, bayisingela phantsi.

Ukungathobeli kukaSawule nokulahlwa kwakhe

10Lafika ilizwi likaYehova kuSamuweli, lisithi,

11Ndiyazohlwaya ngenxa yokuba ndimenzile uSawule ukumkani; ngokuba ebuyile ekundilandeleni, akalifeza ilizwi lam. Wavutha ngumsindo uSamuweli, wakhala kuYehova ubusuku bonke.

12Wavuka kusasa uSamuweli, waya kukhawulela uSawule kusasa. Waxelelwa uSamuweli kwathiwa, USawule uze eKarmele; nanko ezimisele isikhumbuzo, ejike wegqitha, wehla waya eGiligali.

13USamuweli waya kuSawule; uSawule wathi kuye, Mawusikelelwe nguYehova; ndilifezile ilizwi likaYehova.

14Wathi uSamuweli, Liyintoni na eli lizwi lempahla emfutshane lisezindlebeni zam, noku kukhonya kweenkomo ndikuvayo?

15Wathi uSawule, Zezi bavela nazo kuma-Amaleki; ngokuba abantu bayisindisile eyona ilungileyo impahla emfutshane neenkomo, ukuze babingelele kuYehova uThixo wakho; ezinye sazisingela phantsi.

16Wathi uSamuweli kuSawule, Yeka, ndikuxelele akuthethileyo uYehova kum ngobu busuku. Wathi kuye, Thetha.

17Wathi uSamuweli, Akubanga yintloko yezizwe zakwaSirayeli yini na, uzeyile wena? Wakuthambisa uYehova ukuba ngukumkani kumaSirayeli.

18UYehova wakuthuma ngendlela, wathi, Hamba uye kutshabalalisa aboni abo ama-Amaleki; ulwe nawo ude uwagqibe.

19Yini na ke ukuba ungaliphulaphuli ilizwi likaYehova, usuke uziphose emaxhobeni, wenze okubi emehlweni kaYehova?

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Wathi uSawule kuSamuweli, Hayi, ndiliphulaphule ilizwi likaYehova, ndahamba ngendlela abendithume ngayo uYehova, ndamzisa uAgagi ukumkani wama-Amaleki, ndawatshabalalisa ama-Amaleki.

21Besuka abantu bathabatha emaxhobeni: impahla emfutshane, neenkomo, neyona inentlahla kwizinto ezisingelwe phantsi, ukuze babingelele kuYehova, uThixo wakho, eGiligali.

22Wathi uSamuweli, UYehova unonelele amadini anyukayo nemibingelelo, ngangokuba enonelele ukuphulaphulwa kwezwi likaYehova, yini na? Yabona, ukuphulaphula kulungile ngaphezu kombingelelo, nokubaza iindlebe kulungile ngaphezu kwamanqatha eenkunzi zeegusha.

23Ngokuba ukuba neenkani kusisono esinjengokuvumisa, ubungqola bunjengenkonzo yezithixo nemilondekhaya. Ngenxa yokuba ulicekisile ilizwi likaYehova, naye ukucekisile ukuba ungabi kumkani.

24Wathi uSawule kuSamuweli, Ndonile; ngokuba ndigqithile emthethweni kaYehova naselizwini lakho; kuba bendisoyika abantu, ndaphulaphula izwi labo.

25Khawusixolele ngoko isono sam; buya nam, ndiye ndimnqule uYehova.

26Wathi uSamuweli kuSawule, Andiyi kubuya nawe; ngokuba ulicekisile ilizwi likaYehova, naye uYehova ukucekisile, ukuba ungabi kumkani kumaSirayeli.

27Wathi akuthi guqugu uSamuweli ukuba emke, wabamba isondo lengubo yakhe yokwaleka, lakrazuka.

28Wathi uSamuweli kuye, UYehova ukukrazule kuwe namhla ubukumkani bakwaSirayeli, wabunika ummelwane wakho olungileyo kunawe.

29Kananjalo uQele-likaSirayeli akaxoki, akazohlwayi; ngokuba akangumntu ukuba azohlwaye.

30Wathi yena, Ndonile; wòsewundizukisa phambi kwamadoda amakhulu abantu bakowethu, naphambi kwamaSirayeli, ubuye nam, ndimnqule uYehova, uThixo wakho.

31Wabuya ke uSamuweli, walandela uSawule; uSawule wamnqula uYehova.

32Wathi uSamuweli, Mziseni apha kum uAgagi, ukumkani wama-Amaleki. Waya uAgagi kuye echwayithile. Wathi uAgagi, Inene, bugqithile ubukrakra bokufa.

33Wathi uSamuweli, Njengokuba ikrele lakho labahluthayo abafazi abantwana babo, úya kwenjiwa njalo unyoko phakathi kwabafazi, ukuhluthwa abantwana. USamuweli wamxhaxha uAgagi phambi koYehova eGiligali.

34Waya uSamuweli eRama; uSawule wenyuka waya endlwini yakhe eGibheha yakwaSawule.

© 1975 Bible Society of South Africa.

35USamuweli akabuyanga abonane noSawule, kwada kwayimini yokufa kwakhe;
kuba uSamuweli wamlilela uSawule. Wazohlwaya uYehova ngenxa yokuba ebemenze
uSawule ukumkani kwaSirayeli.

USamuweli I 16

USamuweli uthambisa uDavide abe ngukumkani

1Wathi uYehova kuSamuweli, Ùya kumlilela kude kube nini na uSawule, ndimcekisile
nje ukuba angabi kumkani kumaSirayeli? Zalisa isigodlo sakho ngeoli, uhambe; ndiya
kukuthumela kuYese waseBhetelehem; ngokuba ndizibonele ukumkani koonyana
bakhe.

2Wathi uSamuweli, Ndothini na ukuya? USawule uya kuva, andibulale. Wathi
uYehova, Thabatha ithokazi lenkomo uye nalo, uthi, Ndizé kubingelela kuYehova.

3Ummemele embingelelweni uYese; ndokwazisa mna into owoyenza,
undithambisele endiya kuthetha kuwe ngaye.

4Wakwenza uSamuweli akuthethileyo, waya eBhetelehem. Othuka ke amadoda
amakhulu omzi, eza kumkhawulela, athi, Ùza uxolile na?

5Wathi, Ndixolile; ndizé kubingelela kuYehova; zingcwaliseni, nize nam
embingelelweni. Wamngcwalisa uYese noonyana bakhe, wabamemela
embingelelweni.

6Kwathi, ekuzeni kwabo, wabona uEliyabhi, wathi, Inene, uphambi koYehova
umthanjiswa wakhe.

7Wathi uYehova kuSamuweli, Musa ukukhangela imbonakalo yakhe, nokuphakama
kwesithomo sakhe, ngokuba ndimcekisile. Andikhangeli njengokukhangela komntu;
ngokuba umntu ukhangela umphandle, uYehova ukhangela intliziyo.

8UYese wabiza uAbhinadabhi, wamgqithisa phambi koSamuweli. Wathi, Naló
uYehova akamnyulanga.

9UYese wagqithisa uShama. Wathi, Naló uYehova akamnyulanga.

10UYese wagqithisa ke oonyana bakhe abasixhenxe phambi koSamuweli. Wathi
uSamuweli kuYese, Aba uYehova akabanyulanga.

11Wathi uSamuweli kuYese, Awonke na amakhwenkwe akho? Wathi, Kusasele
encinane; nantso isalusa impahla emfutshane. Wathi uSamuweli kuYese, Thumela
iye kubizwa; ngokuba asiyi kuhlala esidlweni, ide ifike apha.

12Wathumela wayizisa. Yaye ingqombo, emahle amehlo ayo, intle nembonakalo
yayo. Wathi uYehova, Suka ume, umthambise; ngokuba nguye lo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13USamuweli wathabatha isigodlo seoli, wamthambisa esesazulwini sabakhuluwa bakhe. UMoya kaYehova wamfikela ngamandla uDavide, ukususela kuloo mini. Wesuka ke uSamuweli, waya eRama.

UDavide ungumbethi wohadi nomphathi-zixhobo kaSawule

14Ke uMoya kaYehova wemka kuSawule; wadandathekiswa ngumoya ombi ophuma kuYehova.

15Bathi abakhonzi bakaSawule kuye, Yabona, udandathekiswa ngumoya ombi ophuma kuThixo.

16Inkosi yethu mayithethe, abakhonzi bakho abaphambi kwakho baye kufuna indoda ekwaziyo ukubetha uhadi; kuthi, wakuba phezu kwakho umoya ombi ophuma kuThixo, ilubethe ngesandla sayo, kulunge kuwe.

17Wathi uSawule kubakhonzi bakhe, Khanindikhangelele indoda ebetha kamnandi, niyizise kum.

18Waphendula omnye umfana wathi, Yabona, ndibone unyana kaYese waseBhetelehem okwaziyo ukubetha; ligorha elinobukroti, indoda yokulwa, iciko lokuthetha, umfo omhle; uYehova unaye.

19USawule wathuma abathunywa kuYese, wathi, Mthumele eze kum uDavide, unyana wakho, osempahleni emfutshane.

20UYese wathabatha iesile, kubotshelelwe izonka kulo, nentsuba yewayini, netakane lalinye lebhokhwe, wathumela ngoDavide unyana wakhe kuSawule.

21Weza uDavide kuSawule, wema phambi kwakhe; wamthanda kakhulu, waba ngumphathi weentonga zakhe.

22Wathumela uSawule kuYese, esithi, Makeme phambi kwam uDavide; kuba úbabalwe ndim.

23Kwathi, wakufika umoya ombi kaThixo kuSawule, uDavide wathabatha uhadi, wabetha ngesandla sakhe; kwee qabu kuSawule, kwalunga kuye, wemka kuye umoya ombi.

USamuweli I 17

UDavide noGoliyati

1Ke kaloku amaFilisti ayihlanganisa imikhosi yawo ukuba alwe, ayihlanganisela eSoko ekwaYuda, amisa phakathi kweSoko neAzeka, e-Efesedamim.

2USawule namadoda akwaSirayeli ahlanganisana, amisa entilini kaEla, ákha uluhlu lokulwa ukuba awahlangabeze amaFilisti.

3AmaFilisti ema ngasentabeni ngapha, amaSirayeli ema ngasentabeni ngapha, umfula uphakathi kwawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Kwaphuma empini yamaFilisti indoda efuna undikho, egama linguGoliyati waseGati,
ebude buziikubhite ezintandathu ezinomolulo weminwe;

5enesigcinantloko sobhedu entloko, yambethe ingubo yentsimbi; ubunzima bengubo
yentsimbi buziishekele zobhedu ezimawaka mahlanu;

6eneentsekelezane zobhedu emilenzeni, nomkhonto wobhedu phakathi kwamagxa
ayo;

7uluthi lwentshuntshe yayo belungangomthi wabaluki; intsimbi yentshuntshe yayo
ibiziishekele ezimakhulu mathandathu esinyithi; kuhamba umphathi wekhaka
phambi kwayo.

8Yema, yamemeza kwizintlu zakwaSirayeli, yathi kuzo, Yini na ukuba niphume nakhe
uluhlu lokulwa? Andinguye na umFilisti, nayé nina ningabakhonzi bakaSawule?
Zikhetheleni indoda, ihle ize kum.

9Ukuba ithe yanako ukulwa nam, yandibulala, soba ngabakhonzi kuni; ukuba ndithe
ndayeyisa mna, ndayibulala, noba ngabakhonzi kuthi, nisikhonze.

10Wathi umFilisti, Mna ndiyazingcikiva namhla izintlu zakwaSirayeli; ndikhupheleni
indoda silwe sobabini.

11OoSawule namaSirayeli onke baweva amazwi alo mFilisti, bathi qhiphu umbilini,
boyika kunene.

12Ke uDavide waye engunyana waloo mEfrata waseBhetelehem yakwaYuda, ugama
linguYese, únyana basibhozo; ubeyindoda eyalupheleyo ngemihla kaSawule, emdala
kakhulu phakathi kwamanye amadoda.

13Babeye ekulweni oonyana abathathu bakaYese abakhulu, bemlandela uSawule.
Amagama oonyana bakhe abathathu ababeye kulwa nguEliyabhi owamazibulo, emva
kwakhe nguAbhinadabhi, owesithathu nguShama.

14UDavide ubengomncinane; abakhulu bobathathu babelandele uSawule.

15UDavide ubesiya abuye kuSawule, ukuba aluse impahla emfutshane kayise
eBhetelehem.

16UmFilisti lowo weza kusasa nangokuhlwa, wema imihla emashumi mané.

17Wathi uYese kuDavide unyana wakhe, Khawuphathele abakhuluwa bakho iefa
yamakhweba la, nezonka ezi zilishumi, ugidime uye emkhosini kubakhuluwa bakho,

18use nezonka zamasi ezi zilishumi kumthetheli-waka, ubavelele abakhuluwa bakho,
ubuze ukuphila kwabo, uthabathe isibambiso kubo.

19USawule ke, kwanabo, namadoda onke akwaSirayeli, ayesentilini kaEla, esilwa
namaFilisti.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Wavuka kusasa uDavide ngengomso, wayishiya impahla emfutshane nomgcini, wathabatha, wahamba, njengoko wamwiselayo uYese umthetho, wafika eluthangweni lweenqwelo zokulwa, umkhosi uphuma usiya kuma eluhlwini, uhlaba umkhosi.

21AmaSirayeli namaFilisti ákha izintlu, uluhlu lukhangelene noluhlu.

22UDavide wayishiya impahla yakhe esandleni somgcini wempahla, wabaleka waya eluhlwini; wafika, wababuza abakhuluwa bakhe ukuphila kwabo.

23Akubon' ukuba uyathetha nabo, nantso inyuka indoda indoda efuna undikho, umFilisti waseGati, egama linguGoliyati, ivela ezintlwini zamaFilisti, yathetha kwalaa mazwi; weva ke uDavide.

24Onke amadoda akwaSirayeli, akuyibona indoda leyo, asaba ebusweni bayo, oyika kunene.

25Athi amaSirayeli, Niyibonile na le ndoda inyukayo? Kuba inyuka isiza kungcikiva amaSirayeli; yothi indoda ethe yayibulala, ityetyiswe ngukumkani ngobutyebi obukhulu, ayinike intombi yakhe, ayenze indlu kayise ikhululeke kwaSirayeli.

26Wathetha uDavide kumadoda abemi ngakuye, wathi, Yothiwani na indoda embuleleyo lo mFilisti, yayisusa ingcikivo kwaSirayeli? Ngokuba úngubani na umFilisti, le nto ingalukileyo, ukuba ade angcikive izintlu zikaThixo ophilileyo?

27Bathetha abantu kuye ngokwelaa lizwi, bathi, Úya kwenjiwa nje umntu ombuleleyo.

28Wayekuva uEliyabhi, umkhuluwa wakhe, ukuthetha kwakhe namadoda. Wavutha umsindo kaEliyabhi kuDavide, wathi, Uhleleni na? Uyishiye nabani na laa mpahla imfutshane imbalwa entlango? Ndiyakwazi mna ukukhukhumala kwakho, nobubi bentliziyo yakho; ngokuba uhle uzé kubonela ukulwa.

29Wathi uDavide, Ndenzéni ngoku? Bendibuza nje kodwa.

30Wee guqugu, wabheka komnye obemi ngakuye, wathetha kwaelaa lizwi. Abantu babuya bamphendula kwangelaa lizwi lokuqala.

31Aviwa amazwi awawathethayo uDavide, axelwa phambi koSawule, wamthabatha.

32Wathi uDavide kuSawule, Makungathambi ntliziyo yamntu ngenxa yakhe; umkhonzi wakho lo uya kuya alwe nalo mFilisti.

33Wathi uSawule kuDavide, Akunakuya kulo mFilisti ulwe naye; ngokuba ùsemncinane, abe yena eyindoda eqhele ukulwa kwasebuncinaneni bakhe.

34Wathi uDavide kuSawule, Umkhonzi wakho lo ebesalusa impahla emfutshane kayise, kwafika ingonyama nebhere, yathabatha ixhwane emhlambini;

© 1975 Bible Society of South Africa.

35ndaphuma, ndayilandela, ndayibetha, ndalihlangula ixhwane emlonyeni wayo. Yesuka phezu kwam, ndayibamba ngodevu lwayo, ndayibetha, ndayibulala.

36Umkhonzi wakho wayibetha ingonyama kwanebhere; lo mFilisti ungalukileyo uya kuba njengenye kuzo ke, ngokuba ungcikive izintlu zikaThixo ophilileyo.

37Wathi uDavide, UYehova owandihlangulayo ethupheni lengonyama nasethupheni lebhere, nguye oya kundihlangula esandleni saló mFilisti. Wathi uSawule kuDavide, Hamba ke, abe nawe uYehova.

38USawule wamambathisa uDavide ngezakhe iingubo, wambeka isigcinantloko sobhedu entloko, wamfaka ingubo yentsimbi.

39UDavide walibhinqa ikrele ngaphezu kweengubo zakhe, wazama ukuhamba ngazo; ngokuba ebengekazilingi. Wathi uDavide kuSawule, Andinako ukuhamba nezi zinto, ngokuba andizilinganga. UDavide wazihluba.

40Wathabatha intonga yakhe esandleni sakhe, wanyula amatye amahlanu abuthelezi emlanjaneni, wawafaka empahleni yabalusi abenayo, eyingxowa, ephethe inkwitshi yakhe esandleni sakhe, weza kumFilisti lowo.

41UmFilisti wahamba, waya esondela kuDavide, nendoda ephatha ikhaka lakhe ihamba phambi kwakhe.

42UmFilisti wondela, wambona uDavide, wamdela; ngokuba ebesengumfana oyingqombo, emhle imbonakalo.

43Wathi umFilisti kuDavide, Ndiyinja na, ukuba uze kum uneentonga? UmFilisti wamtshabhisa uDavide ngoothixo bakhe.

44Wathi umFilisti kuDavide, Yiza kum apha, ndiyinike iintaka zezulu namarhamncwa asendle inyama yakho.

45Wathi uDavide kumFilisti, Wena uza kum unekrele, nentshuntshe, nomkhonto; ke mna ndiza kuwe egameni likaYehova wemikhosi, uThixo wezintlu zakwaSirayeli omngcikivileyo.

46Namhlanje uYehova uya kukunikela esandleni sam, ndikubulale, ndikunqumle intloko, namhla ndizinike iintaka zezulu namarhamncwa omhlaba izidumbu zomkhosi wamaFilisti, wazi wonke umhlaba ukuba amaSirayeli anaye uThixo;

47lazi lonke eli bandla, ukuba àkungakrele, àkungantshuntshe ukusindisa kukaYehova; ngokuba imfazwe yekaYehova; wòninikela ke esandleni sethu.

48Kwathi, xa asukayo umFilisti, ehamba esondela, esiya kumhlangabeza uDavide, wakhawuleza uDavide, wabalekela eluhlwini, esiya kumhlangabeza umFilisti.

49UDavide wafaka isandla sakhe engxoweni, warhola ilitye khona, wasawula, watsho kumFilisti ebunzi; latshona ilitye ebunzini lakhe, wawa ngobuso bakhe emhlabeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

50UDavide wameyisa ke umFilisti ngenkwitshi nangelitye, watsho kumFilisti, wambulala, kungekho krele esandleni sikaDavide.

51Wagidima uDavide, waya wema phezu komFilisti, walithabatha ikrele lakhe, walirhola esingxobeni salo, wambulala, wamnqumla intloko. Abona ke amaFilisti ukuba lifile igorha lawo, asaba.

52Asuka amadoda akwaSirayeli nawakwaYuda, aduma, awasukela amaFilisti kwada kwayiwa emfuleni, kwesa emasangweni ase-Ekron. Awa amaFilisti angxwelerhiweyo endleleni yaseShaharayim, kwesa naseGati, kwesa nase-Ekron.

53Babuya oonyana bakaSirayeli ekuwasukeleni ngokushushu amaFilisti, baziphanga iintente zawo.

54UDavide wayithabatha intloko yomFilisti, wayisa eYerusalem; impahla yakhe wayibeka ententeni yakhe.

55Xa uSawule ebembona uDavide, ephuma esiya kumhlangabeza umFilisti, wathi kuAbhinere, umthetheli-mkhosi, Wa, Abhinere, ngunyana kabani na lo mfana? Wathi uAbhinere, Uhleli nje umphefumlo wakho, kumkani, andazi.

56Wathi ukumkani, Buza ukuba ingunyana kabani na le ndodana.

57Xa uDavide wabuyayo ekumbulaleni umFilisti, uAbhinere wamthabatha, wamzisa phambi koSawule, ephethe ngesandla intloko yomFilisti.

58Wathi uSawule kuye, Ùngunyana kabani na, mfanandini? Wathi uDavide, Ndingunyana womkhonzi wakho, uYese waseBhetelehem.

USamuweli I 18

Ukuthandwa kukaDavide nguYonatan

1Kwathi, xa agqibileyo ukuthetha kuSawule, umphefumlo kaYonatan wabophana nomphefumlo kaDavide; uYonatan wamthanda njengomphefumlo wakhe.

2USawule wamthabatha ngaloo mini, akamvumela ukuba abuyele endlwini kayise.

3Benza umnqophiso ooYonatan noDavide, ngokumthanda kwakhe njengomphefumlo wakhe.

4UYonatan wazihluba ingubo yokwaleka abenayo, wayinika uDavide, neengubo zakhe zokulwa, kwesa nakwikrele lakhe, nakwisaphetha sakhe, nakumbhinqo wakhe.

5Waphuma uDavide, waya apho wathunywa khona nguSawule, wenza ngengqiqo. USawule wammisa phezu kwamadoda okulwa; walunga emehlweni abantu bonke, nasemehlweni abakhonzi bakaSawule.

USawule ukhweletela uDavide amenzele iyelenqe

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Kwathi ekufikeni kwabo, ekubuyeni kukaDavide ekumbulaleni umFilisti, baphuma abafazi emizini yonke yakwaSirayeli, bevuma ingoma, bengqungqa, besiza kumkhawulela uSawule ukumkani ngeengqongqo, nangovuyo, nangeetriyangile.

7Bavuma abafazi abaqambayo, bathi, USawule ubulele amawaka akhe, UDavide ubulele amawaka akhe angamashumi.

8USawule wavutha kunene ngumsindo, lalibi emehlweni akhe elo lizwi; wathi, UDavide bamniké amawaka alishumi, mna bandinike amawaka nje; sekusele ukuthi ubukumkani bube bobakhe.

9USawule wahlala emgxeleshile uDavide, kususela kuloo mini.

10Kwathi ngengomso, umoya ombi kaThixo wamfikela ngamandla uSawule, wageza endlwini; uDavide ebetha uhadi ngesandla sakhe njengemihla; intshuntshe isesandleni sikaSawule.

11USawule wabinza ngentshuntshe, wathi, Ndiya kumqhama nodonga uDavide. UDavide waphepha izihlandlo zazibini phambi kwakhe.

12USawule wamoyika uDavide, ngokuba uYehova ebenaye, emkile kuSawule.

13USawule wamsusa kuye, wammisa wangumthetheli wakhe wewaka; waphuma engena phambi kwabantu.

14UDavide wenza ngengqiqo ezindleleni zakhe zonke, uYehova waye enaye.

15Wabona uSawule ukuba unengqiqo enkulu, wanxunguphala bubuso bakhe;

16ke onke amaSirayeli namaYuda ebemthanda uDavide, ngokuba ebephuma engena phambi kwawo.

17Wathi uSawule kuDavide, Nantso intombi yam enkulu, uMerabhi; ndiya kunika ibe ngumkakho; kodwa yiba ngumfo onobukroti kum, ulwe iimfazwe zikaYehova. USawule ebesithi, Makungafiki esam isandla kuye, makufike esamaFilisti isandla kuye.

18Wathi uDavide kuSawule, Ndingubani na, ayintoni na amakowethu, iyini imizalwane kabawo kwaSirayeli, ukuba ndibe ngumyeni kukumkani?

19Kwathi ngexesha lokuba uMerabhi, intombi kaSawule, anikwe uDavide, wasuka wanikwa uAdriyeli waseMehola, ukuba abe ngumkakhe.

20UMikali, intombi kaSawule, yamthanda uDavide. Waxelelwa uSawule, yalunga loo nto emehlweni akhe.

21Wathi uSawule, Ndiya kumnika yona ibe ngumgibe kuye, sibe kuye isandla samaFilisti. Wathi uSawule kuDavide, Ùya kuba ngumyeni kum namhla ngandlela mbini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22USawule wabawisela abakhonzi bakhe umthetho, wathi, Thethani ngasese kuDavide, nithi, Yabona, ukumkani ukunanzile, bonke abakhonzi bakhe bayakuthanda; ke ngoko yiba ngumyeni kukumkani.

23Bawathetha abakhonzi bakaSawule loo mazwi ezindlebeni zikaDavide. Wathi uDavide, Yinto elula na emehlweni enu ukuba ngumyeni kukumkani, ndiyindoda elihlwempu nje, ndilula nje?

24Abakhonzi bakaSawule bamxelela, besithi, UDavide uthethe wenjenje.

25Wathi uSawule, Yitshoni kuDavide ukuthi, Ukumkani akananze khazi; lingába líkhulu leenyama zokwalùswa zamaFilisti, ukuba aziphindezelele ezintshabeni zokumkani. Ke uSawule ubecinga ukumwisa uDavide ngesandla samaFilisti.

26Abakhonzi bakhe bamxelela uDavide loo mazwi; yalunga loo nto emehlweni kaDavide, ukuba abe ngumyeni kukumkani. Ke kaloku imihla ibingekazaliseki.

27Wesuka uDavide, waya yena namadoda akhe, wabulala kumaFilisti amadoda angamakhulu amabini. UDavide wazizisa iinyama zokwalùswa zawo, wazinika ukumkani zingangoko zingako, ukuba abe ngumyeni kukumkani. USawule wamnika ke uMikali intombi yakhe, yangumkakhe.

28Wakubona uSawule, wakwazi ukuba uYehova ebenoDavide. Umikali intombi kaSawule ubemthanda.

29USawule wamoyika okunye uDavide; uSawule waba lutshaba kuDavide imihla yonke.

30Baphuma abathetheli bamaFilisti; kwathi, bakuphuma, uDavide wenza ngengqiqo ngaphezu kwabakhonzi bonke bakaSawule. Lanconywa kunene igama lakhe.

USamuweli I 19

Ukuthiywa kukaDavide nguSawule

1Wathetha uSawule kuYonatan unyana wakhe, nakubakhonzi bakhe bonke, ukuba bambulale uDavide. Ke uYonatan, unyana kaSawule, ube emthanda kunene uDavide.

2UYonatan wamxelela uDavide, esithi, USawule ubawo ufuna ukukubulala; ngoko uze ukhe uzigcine kusasa, uhlale endaweni esese, uzimele.

3Mna ndiya kuphuma, ndime ngasecaleni likabawo endle, apho ukhona, ndithethe kubawo ngawe, ndikubone oko aya kukuthetha, ndikuxelele.

4UYonatan wathetha okulungileyo ngoDavide kuSawule uyise, wathi kuye, Makangoni ukumkani kumkhonzi wakhe uDavide; ngokuba akonanga kuwe; kuba izenzo zakhe zithe zalunga kunene kuwe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

5umphefumlo wakhe wawenza isichenge, wambulala umFilisti, uYehova wawenzela amaSirayeli onke usindiso olukhulu; wabona nawe wavuya. Yini na ke ukuba wone kwigazi elimsulwa, umbulale uDavide kungekho sizathu?

6Waliphulaphula uSawule izwi likaYonatan, wafunga uSawule, wathi, Ehleli nje uYehova, akayi kubulawa.

7UYonatan wambiza uDavide; uYonatan wamxelela la mazwi onke. UYonatan wamzisa uDavide kuSawule; waba phambi kwakhe, njengangaphambili.

8Yabuya yabakho imfazwe; waphuma uDavide, walwa namaFilisti, wawabulala kakhulu; asaba phambi kwakhe.

9Umoya ombi kaYehova wamfikela uSawule, ehleli endlwini yakhe, intshuntshe yakhe isesandleni sakhe, uDavide ebetha uhadi ngesandla.

10USawule wafuna ukumqhama nodonga uDavide ngentshuntshe. Wathi nyebelele ebusweni bukaSawule; watsho yangena intshuntshe eludongeni. Wasaba uDavide, wasinda ngobo busuku.

11USawule wathumela abathunywa endlwini kaDavide ukuba bamlinde, bambulale kusasa. UMikali, umkakhe, wamxelela uDavide, esithi, Ukuba uthe akwawusindisa umphefumlo wakho kwangobu busuku, wobulawa ngomso.

12UMikali wamhlisa uDavide ngefestile. Wahamba wabaleka, wasinda.

13UMikali wayithabatha imilonde-khaya, wayilalisa elukhukweni, wabeka nomluko woboya beebhokhwe entlokweni yayo, wayigubungela ngengubo.

14USawule wasusa abathunywa ukuba bamthabathe uDavide. Wathi yena, Úyafa.

15USawule wasusa abathunywa ukuba baye kumkhangela uDavide, esithi, Nyukani, nize naye kum ngokhuko, ndimbulale.

16Bangena abathunywa, O! yimilonde-khaya le iselukhukweni, nomluko woboya beebhokhwe entlokweni yayo.

17Wathi uSawule kuMikali, Yini na ukuba wenjenje ukundikhohlisa, ulundulule uthsaba lwam lusinde. Wathi uMikali kuSawule, Wathi yena kum, Ndiyeke ndimke, yini na ukuba ndikubulale?

18Ebalekile uDavide, wasinda, waya kuSamuweli eRama, wamxelela konke abekwenzile uSawule kuye. Wahamba yena noSamuweli, bahlala eNayoti.

19Waxelelwa uSawule, kusithiwa, Nanko uDavide eNayoti ngaseRama.

20USawule wasusa abathunywa bokumbamba uDavide. Babona ibandla labaprofeti beprofeta, noSamuweli emi engumongameli wabo. UMoya kaThixo wabafikela abathunywa bakaSawule, baprofeta kananjalo nabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Waxelelwa uSawule, wasusa abanye abathunywa, baprofeta kananjalo nabo. Waphinda uSawule wasusa abathunywa bengabesithathu, baprofeta kananjalo nabo.

22Waya naye eRama, wafika kwiqula elikhulu eliseSeku, wabuza, wathi, Baphi na ooSamuweli noDavide? Kwathiwa, Nabaya eNayoti ngaseRama.

23Waya khona eNayoti ngaseRama, uMoya kaThixo wamfikela naye; wahamba ehamba eprofeta, wada wafika eNayoti ngaseRama.

24Wazihluba naye iingubo zakhe, waprofeta naye phambi koSamuweli, wawa phantsi ezé yonke loo mini, nobo busuku bonke. Ngenxa yoko kwathiwa, Ukúbaprofet noSawule na?

USamuweli I 20

Ubuhlobo bukaDavide noYonatan

1Wabaleka uDavide eNayoti ngaseRama, weza, wathi phambi koYonatan, Ndenzé ntoni na? Buyini na ubugwenxa bam? Síyini na isono sam phambi koyihlo, ukuba angxamele umphefumlo wam nje?

2Wathi yena kuye, Makube lee oko; akuyi kufa. Uyabona, ubawo akenzi nenkulu into, nencinane into, angayityhileli indlebe yam; ubawo uyifihleleni na ke le nto kum? Akunjalo.

3Wafunga phezu koko uDavide, wathi, Uyihlo uyazi kakuhle ukuba ùndibabale; ùthi, Makangakwazi oku uYonatan, hleze abe buhlungu. Inene, ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo wakho, ngathi sisithuba esinye sokunyathela esiphakathi kwam nokufa.

4Wathi uYonatan kuDavide, Into oyithethayo umphefumlo wakho, ndiya kuyenza.

5Wathi uDavide kuYonatan, Uyabona, iya kuthwasa inyanga ngomso; ndifanele ukuhlala nokumkani, ndidle; ndíndulule, ndiye kuzifihla endle, kude kuhlwe ngosuku lwesithathu.

6Ukuba uyihlo uthe wandifuna, wòthi wena, Úcele kum wandibongoza uDavide, ukuba agidime aye eBhetelehem emzini wakowabo; ngokuba kukho umbingelelo weminyaka ngeminyaka apho, owenzelwa umzi wonke wakowabo.

7Ukuba uyihlo uthe, Kulungile: koba kuluxolo kumkhonzi wakho. Ke ukuba uthe wavutha kakhulu ngumsindo, yazi ukuba úgqibe kwelobubi.

8Ngoko ke uze umenzele inceba umkhonzi wakho; ngokuba umngenisé emnqophisweni kaYehova umkhozi wakho lo nawe. Ke ukuba buthe bakho kum ubugwenxa, ndibulale wena ngokwakho; yini na ukuba undise kuyihlo?

9Wathi uYonatan, Makube lee kuwe; ukuba ndithe ndazi kakuhle ukuba ubawo ugqibe kwelokuba ufikelwe bububi, ndibe ndingekuxeleli na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Wathi uDavide kuYonatan, Hi, ukuba uyihlo ukuphendule kalukhuni, ndoxelelwa ngubani na?

11Wathi uYonatan kuDavide, Hamba, siphume siye ezindle. Baphuma bobabini baya ezindle.

12Wathi uYonatan kuDavide, Yehova, Thixo kaSirayeli! Xa ndithe ndamgocagoca ubawo malunga neli xesha ngomso nangomsomnye, kwabonakala ukuba kulungile kuDavide, ndaza andathumela kuwe, ndiyityhilele indlebe yakho:

13makenjenje uYehova kuYonatan, makaqokele ukwenjenje. Xa kuthe kwalunga kubawo ukuba akwenze ububi, ndoyityhilela indlebe yakho, ndikundulule, uhambe unoxolo; uYehova makabe nawe, njengokuba ebenobawo.

14Wanga ungáthi, ukuba ndisaphilile, undenzele inceba kaYehova;

15ungàthi, ndakufa, uyinqumle inceba yakho endlwini yam nanini, ungènjenjalo nasekuzinqamleni kukaYehova iintshaba zikaDavide zonke ngazinye, ebusweni bomhlaba.

16Wanqophisana ke uYonatan nendlu kaDavide, esithi, UYehova makakubuze ke oku esandleni seentshaba zikaDavide.

17Waphinda uYonatan ukumfungisa uDavide ngokumthanda kwakhe; ngokuba ebemthanda njengomphefumlo wakhe.

18UYonatan wathi kuye, Ngomso iya kuthwasa inyanga; ùya kubuzwa, ngokuba isihlalo sakho siya kuba sodwa.

19Ngomhla wesithathu uze uhle kamsinya, uye kuloo ndawo wawuzifihle kuyo ngemini yomsebenzi lowa, uhlale ecaleni lelitye le-Ezeli;

20ndizitolele ecaleni lalo iintolo zontathu, ndinge ndizixunela etekenini.

21Yabona, ndiya kumthuma umfana, ndithi, Yiya, uzithabathe iintolo. Ukuba ndithe kumfana, Nanzi iintolo, zinganeno kwakho, zithabathe: wòza wena; ngokuba koba kuluxolo kuwe, akukho nto, ehleli nje uYehova.

22Ke ukuba ndithe kwindodana leyo, Nanzo iintolo zingaphaya kwakho: hamba, ngokuba uYehova woba ukundulule.

23Ke ilizwi eliyá silithethileyo mna nawe, yabona, uYehova uphakathi kwam nawe kude kuse ephakadeni.

24Wazímela ke uDavide ezindle. Yathwasa inyanga; wahlala ukumkani esidlweni ukuba adle.

25Wahlala ukumkani esihlalweni sakhe njengezinye izihlandlo, esihlalweni saseludongeni. Wesuka wema uYonatan. Wahlala uAbhinere ecaleni likaSawule, yayodwa indawo kaDavide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Akathetha nto uSawule ngaloo mini; ngokuba ebesithi, Uhlelwe yinto; àkahlambulukile, inene, akahlambulukile.

27Kwathi ngengomso, iselithwasile nenyanga ngosuku lwesibini, ayaba namntu indawo kaDavide. Wathi uSawule kuYonatan, unyana wakhe, Yini na ukuba angezi kudla unyana kaYese nayizolo nanamhla?

28UYonatan wamphendula uSawule, wathi, UDavide ucele kum, wandibongoza ukuba aye eBhetelehem;

29wathi, Khawundiyeke ndiye; ngokuba kukho umbingelelo wemizalwane yakowethu ekhaya; ke yena umkhuluwa wam undiwisele umthetho; kaloku ukuba ùndibabale, makhe ndigidime, ndibone umkhuluwa wam. Kungenxa yoko angezanga etafileni yokumkani.

30Wavutha ke umsindo kaSawule kuYonatan, wathi kuye, Nyana wegwenxakazi eligwilikileyo, andazi yini na ukuba unyana kaYese ùmnyulele ukuba abe lihlazo lakho, nehlazo lobuze bonyoko?

31Kuba yonke imihla, unyana kaYese aya kudla ubomi ngayo emhlabeni, akuyi kuqiniseka wena nobukumkani bakho. Thumela ngoko, umzise kum, ngokuba engumntwana wokufa.

32UYonatan wamphendula uSawule uyise, wathi kuye, Yini na ukuba abulawe? úfa ngani na?

33USawule wabinza ngentshuntshe ukuba atsho kuye. Wazi uYonatan, ukuba uyise ugqibe kwelokuba ambulale uDavide.

34UYonatan wesuka ke etafileni evutha ngumsindo; akadla kudla ngomhla wesibini wenyanga; ngokuba ubebuhlungu ngoDavide, kuba uyise ubemhlazisile.

35Kwathi ngengomso, waphuma uYonatan waya ezindle, ukuba ahlangane noDavide, enomfana omncinane.

36Wathi kumfana, Khawubaleke, uzithabathe iintolo endizixunayo. Umfana wabaleka; ke yena wazixuna iintolo, ukuze zigqithe kuye.

37Wafika umfana kuloo ndawo belukuyo utolo abeluxunile uYonatan. Wamemeza uYonatan kumfana, wathi, Nalo ngaphaya kwakho utolo.

38Wamemeza uYonatan kumfana, wathi, Khawuleza, ngxama, musa ukuma. Umfana wakwaYonatan waluchola utolo, waluzisa enkosini yakhe.

39Umfana ubengazi nto. NguYonatan noDavide ababeyazi loo nto.

40UYonatan wayinikela impahla yakhe umfana lo abenaye, wathi kuye, Hamba uyise ekhaya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

41Waya umfana lowo. Wesuka uDavide, evela ecaleni langasezantsi, wawa ngobuso emhlabeni, waqubuda izihlandlo zozithathu; bangana, balilelana, wada uDavide watsho kakhulu.

42Wathi uYonatan kuDavide, Hamba unoxolo; makumeesikufungele igama likaYehova thina sobabini, sisithi, UYehova makabe phakathi kwam nawe, naphakathi kwembewu yam nembewu yakho, kude kuse ephakadeni. Wesuka ke wahamba. Ke uYonatan waya ekhaya.

USamuweli I 21

UDavide usabela eNobhi naseGati

1UDavide waya eNobhi kuAhimeleki, umbingeleli. UAhimeleki wamkhawulela uDavide egubha, wathi kuye, Yini na ukuba uze wedwa, kungekho ndoda ihamba nawe.

2Wathi uDavide kuAhimeleki, umbingeleli, Ukumkani undiwisele umthetho ngento, wathi kum, Makungabikho mntu wazi ní yaní ngale nto ndikuthumayo, ndikuwiseleyo umthetho ngayo; ke abafana ndibayalele ekuthini nasekuthini.

3Kaloku kukho ntoni na phantsi kwesandla sakho? Ndinike esandleni izonka zibe zihlanu, nokuba yintoni efumanekayo.

4Umbingeleli wamphendula uDavide, wathi kuye, Akukho sonka sisesabantu bonke phantsi kwesandla sam; sesingcwele sodwa isonka esikhoyo; ukuba abafana bathe kodwa bazigcina kubafazi.

5UDavide wamphendula umbingeleli, wathi kuye, Inene abafazi bathintelekile ukuza kuthi ezi ntsuku zontathu; ekuphumeni kwam ibingcwele impahla yabafana; nokuba ibiyindlela yabantu bonke, yosuka ingcwaliswe yimpahla le namhla.

6Umbingeleli wamnika ke esingcwele; ngokuba bekungekho zonka khona ezingezizo zokubonisa, ezibe zisuswe phambi koYehova, ukuba kumiswe izonka ezishushu ngemini yokuthatyathwa kwazo.

7Ke kaloku kwaye kuvalelwe khona indoda yakubakhonzi bakaSawule ngaloo mini phambi koYehova, egama belinguDowegi umEdom, ingànga yabalusi bakaSawule.

8Wathi uDavide kuAhimeleki, Akukho ntshuntshe nakrele na apha phantsi kwesandla sakho? Kuba ikrele lam kwaneentonga zam andiziphathanga; ngokuba umcimbi kakumkani ungxamisekile.

9Wathi umbingeleli, Ikrele likaGoliyati umFilisti, owambulala entilini kaEla, nali lisongelwe engutyeni emva kwe-efodi. Ukuba uyalithabatha, lithabathe; ngokuba akukho limbi. Wathi uDavide, Akukho linjengálo, ndinike lona.

10Wesuka uDavide, wabaleka ngaloo mini ebusweni bukaSawule, waya kuAkishe ukumkani waseGati.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Bathi abakhonzi baka-Akishe kuye, Asinguye na lo uDavide, ukumkani welizwe?
Asinguye na lo babevuma ngaye ekungqungqeni, besithi, USawule ubulele amawaka
akhe, UDavide ubulele amawaka akhe angamashumi?

12UDavide wawagcina loo mazwi entliziyweni yakhe, woyika kunene ebusweni buka-
Akishe, ukumkani waseGati.

13Waziphambanisa ingqondo phambi kwabo, wazigezisa esandleni sabo, wakrwela
ezingcangweni zesango, wavuzisa uluchwe ezindevini zakhe.

14Wathi uAkishe kubakhonzi bakhe, Khangelani, nantsi le ndoda isisihiba; yini na
ukuba niyizise kum?

15Ndiswele izihiba yini na ukuba nizise lo, abhudele phezu kwam? Wóngena yini na lo
endlwini yam?

USamuweli I 22

UDavide emqolombeni waseAdulam

1Wemka ke uDavide apho, wazisindisela emqolombeni waseAdulam. Beva
abakhuluwa bakhe nendlu kayise yonke, behla baya kuye khona.

2Abuthelana kuye onke amadoda axinekileyo, namadoda onke anamatyala,
namadoda onke anezikrokro; waba ngumthetheli wawo. Aba kuye amadoda
akumakhulu amané.

3UDavide wemka khona, waya eMizpe kwaMowabhi, wathi kukumkani
wakwaMowabhi, Makhe baphume ubawo noma, bahlale nani, ndide ndazi into aya
kundenzela yona uThixo.

4Wabazìsa phambi kokumkani wakwaMowabhi; bahlala naye yonke imihla
abesemboniselweni uDavide.

5Wathi uGadi, umprofeti, kuDavide, Uze ungahlali emboniselweni; hamba uye
ezweni lakwaYuda. Wahamba ke uDavide, waya ehlathini leHerete.

USawule ubulala ababingeleli eNobhi

6Weva uSawule ukuba uyaziwa uDavide, namadoda abenaye. USawule ebehleli
eGibheha phantsi komtamariske osemmangweni, intshuntshe yakhe isesandleni
sakhe, abakhonzi bakhe bonke bemi ngakuye.

7Wathi uSawule kubakhonzi bakhe ababemi ngakuye, Khanive, nyana
bakaBhenjamin, unyana kaYese woninika amasimi nezidiliya nonke niphela yini na;
anenze abathetheli-mawaka nabathetheli-makhulu nonke niphela yini na;

8ukuba nje nonke niphela nindicebe, kungabikho namnye uyityhilelayo indlebe yam
ukunqophisana konyana wam nonyana kaYese, kungabikho namnye kuni ubuhlungu

© 1975 Bible Society of South Africa.

ngenxa yam, ayityhilele indlebe yam ukuba unyana wam umvusile umkhonzi wam, ukuba andilalele, njengoko kunjalo namhla?

9Waphendula uDowegi umEdom, obemiswe phezu kwabakhonzi bakaSawule, wathi, Ndimbonile unyana kaYese efika eNobhi, kuAhimeleki, unyana ka-Ahitubhi.

10Waza yena wambuzela kuYehova, wamnika umphako, wamnika nekrele likaGoliyati umFilisti.

11Wathumela ukumkani, wambiza uAhimeleki unyana ka-Ahitubhi, umbingeleli, nendlu yonke kayise. Ababingeleli ababeseNobhi beza bonke kukumkani.

12Wathi uSawule, Khawuve nyana ka-Ahitubhi. Wathi yena, Ndilapha, nkosi yam.

13Wathi uSawule kuye, Yini na ukuba nindicebe, wena nonyana kaYese, umnike isonka nekrele, umbuzele kuThixo, ukuba asuke andilalele, njengoko kunjalo namhla.

14UAhimeleki wamphendula ukumkani, wathi, Ngubani ke kubakhonzi bakho bonke othembeke njengoDavide, umyeni kukumkani, onokungena ephakathini lakho, ozukileyo endlwini yakho?

15Ndiyaqala yini na namhla ukumbuzela kuThixo? Makube lee oko kum; ukumkani makangamthwalisi lutho umkhonzi wakhe lo, nendlu yonke kabawo ngokuba umkhonzi wakho lo akazi lutho kuyo yonke le nto, nokuba loluncinane, nokuba lolukhulu.

16Wathi ukumkani, Ùya kufa ufe, Ahimeleki, wena nendlu yonke kayihlo.

17Wathi ukumkani kwizigidimi zakhe ezibe zimi ngakuye, Jikani, nibabulale ababingeleli bakaYehova; kuba nesabo isandla sinoDavide, nangokuba babesazi oko wabalekayo yena, àbayityhilela indlebe yam. Àbavuma abakhonzi bokumkani ukusa isandla sabo, baxabele kubabingeleli bakaYehova.

18Wathi ukumkani kuDowegi, Jika wena, uxabele kubabingeleli. Wajika ke uDowegi umEdom, waxabela yena kubabingeleli, wabulala ngaloo mini amashumi asibhozo anamahlanu amadoda enxibe iefodi yelinen emhlophe.

19NeNobhi, umzi wababingeleli, wayitshabalalisa ngohlangothi lwekrele, ethabathela kwindoda ase kumfazi, ethabathela kwiintsapho ase kwiintsana, neenkomo, namaesile, neegusha, ngohlangothi lwekrele.

20Kwasinda unyana wamnye ka-Ahimeleki unyana ka-Ahitubhi, ogama belinguAbhiyatare; owabaleka walandela uDavide.

21UAbhiyatare wamxelela uDavide, ukuba uSawule ubabulele ababingeleli bakaYehova.

22Wathi uDavide kuAbhiyatare, Bendisazi kwangaloo mini, ukuba, ekho nje uDowegi umEdom, uya kumxelela kakade uSawule. Ndim obulalise imiphefumlo yonke yendlu kayihlo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Hlala nam, musa ukoyika; ngokuba ofuna umphefumlo wam ufuna umphefumlo wakho; ngokuba ùgcinakele, unam nje.

USamuweli I 23

UDavide uphuncula kuSawule

1Kwaxelwa kuDavide, kwathiwa, Nanga amaFilisti esilwa neKehila; ayazidywida izandá.

2UDavide wabuza kuYehova, wathi, Ndiye na ndiwachithe la maFilisti? Wathi uYehova kuDavide, Yiya uwachithe amaFilisti, uyisindise iKehila.

3Athi amadoda akwaDavide kuye, Nanku thina sisoyika, sikwaYuda apha. Sobeka phi na, xa sithe saya eKehila, ezintlwini zamaFilisti?

4Waphinda uDavide, wabuza kuYehova kanjalo. Wamphendula uYehova, wathi, Suka uhle, uye eKehila; ngokuba ndiya kuwanikela amaFilisti esandleni sakho.

5Waya ke uDavide namadoda akwakhe eKehila, walwa namaFilisti, wayiqhuba imfuyo yawo, wawabulala kakhulu. Wabasindisa ke uDavide abemi beKehila.

6Kwathi, ekubalekeni kuka-Abhiyatare, unyana ka-Ahimeleki, kuDavide eKehila, wehla ene-efodi esandleni sakhe.

7Kwaxelwa kuSawule, ukuba uDavide ufikile eKehila. Wathi uSawule, UThixo umlahlele esandleni sam; ngokuba uzivalele ngokungena emzini oneengcango nemivalo.

8USawule wababizela ndawonye emfazweni bonke abantu, ukuba behle baye eKehila, bangqinge uDavide namadoda akhe.

9Wazi uDavide ukuba uSawule umenzela ububi, wathi kuAbhiyatare umbingeleli, Zisa iefodi leyo.

10Wathi uDavide, Yehova, Thixo kaSirayeli, úvile ngenene umkhonzi wakho, ukuba uSawule ufuna ukuza eKehila, ukuba awonakalise lo mzi ngenxa yam.

11Abemi beKehila bondinikela na esandleni sakhe? Wóhla na uSawule, njengoko avileyo umkhonzi wakho? Yehova, Thixo kaSirayeli, khawumxelele umkhonzi wakho. Wathi uYehova, Úya kuhla.

12Wathi uDavide, Abemi beKehila bondinikela na mna namadoda am esandleni sikaSawule? Wathi uYehova, Bokunikela.

13Wesuka uDavide namadoda akhe, bekumakhulu amathandathu amadoda, baphuma eKehila, bahamba apho bangahamba khona. Waxelelwa uSawule ukuba uDavide usabile eKehila; wayeka, akaphuma.

14Wahlala ke uDavide entlango ezimboniselweni, wahlala ezintabeni entlango yeZifi. USawule wamfuna imihla yonke; uThixo akamnikela esandleni sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Wabona uDavide ukuba uSawule uphume eza kufuna umphefumlo wakhe. UDavide ebesentlango yeZifi entshinyeleni yehlathi.

16Wesuka uYonatan unyana kaSawule, waya kuDavide entshinyeleni yehlathi. Wasomeleza isandla sakhe kuThixo, wathi kuye,

17Musa ukoyika, ngokuba isandla sikaSawule ubawo asiyi kukufumana. Wena uya kuba ngukumkani kumaSirayeli, mna ndibe nganeno kwakho; kananjalo uSawule ubawo uyakwazi kakuhle oku.

18Benza umnqophiso bobabini phambi koYehova. UDavide wahlala entshinyeleni yehlathi apho, uYonatan waya endlwini yakhe.

19Benyuka abaseZifi, baya kuSawule eGibheha, besithi, UDavide akazizimeze kuthi yini na ezimboniselweni, entshinyeleni yehlathi, endulini yeHakila esekunene kwenkangala?

20Kaloku yihla, kumkani, ngokomnqweno wonke womphefumlo wakho ukuhla; kunathi ukumnikela esandleni sokumkani.

21Wathi uSawule, Nisikelelwe nguYehova; ngokuba ninofefe kum.

22Khaniye nigqale okunye, nazi, nibone indawo yakhe, apho unyawo lwakhe lukhona, nokuba ngubani na ombone khona; ngokuba kuthiwa kum, Asikuko nokuba unobuqhopholo;

23nibone, nazi iindawo zonke zokuzimela, aya kuzimela kuzo, nibuyele kum niqiqile; ndohamba nani. Kothi, ukuba úkho kweli lizwe, ndimfune ndimfumane phakathi kwamawaka onke akwaYuda.

24Besuka ke baya eZifi phambi koSawule. UDavide namadoda akhe wayesentlango yeMahon, eArabha, ngasekunene kwenkangala.

25Wahamba uSawule namadoda akhe ukuya kumfuna. Bamxelela uDavide. Wehla ke waya engxondorheni, wahlala entlango yeMahon. Weva uSawule, wamsukela uDavide entlango yeMahon.

26Wahamba uSawule ngeli cala lentaba; wahamba uDavide namadoda akhe ngelaa cala lentaba. UDavide wemka buphuthuphuthu, ngokoyika uSawule; ke uSawule namadoda akhe babemrhawula uDavide namadoda akhe, ukuba bababambe.

27Ke kaloku kwafika umthunywa kuSawule, esithi, Khawuleza uze, ngokuba amaFilisti alingenele ilizwe.

28Wabuya ke uSawule ekumsukeleni uDavide, waya kuwahlangabeza amaFilisti. Ngenxa yoko kwathiwa loo ndawo yiSelahamalekoti.

29Wenyuka apho uDavide, wahlala ezimboniselweni zase-Engedi.

USamuweli I 24

© 1975 Bible Society of South Africa.

UDavide usindisa ubomi bukaSawule e-Engedi

1Kwathi, xa uSawule wabuyayo ekuwasukeleni amaFilisti, bamxelela besithi, Nanku
uDavide entlango yase-Engedi.

2USawule wawathabatha amadoda angamawaka amathathu ahleliweyo kumaSirayeli
onke; waya kufuna uDavide namadoda akhe emaweni amagogo.

3Wafika ezibayeni zempahla emfutshane, ngasendleleni, kukho umqolomba apho.
Wangena uSawule, ukuba agubungele iinyawo zakhe. Ke uDavide namadoda akhe
babehleli entla emqolombeni.

4Athi amadoda kaDavide kuye, Nantsi imini, athe uYehova kuwe, Yabona, ndiya
kulunikela utshaba lwakho esandleni sakho, wenze kulo njengoko kulungileyo
emehlweni akho. Wesuka uDavide, wanqamla ngasese isondo lengubo yokwaleka
abenayo uSawule.

5Kwathi emveni koko, intliziyo kaDavide yakhathazeka ngenxa yokuba ebelinqamle
isondo lengubo kaSawule.

6Wathi kumadoda akhe, Makube lee kum, ngenxa kaYehova, ukuthi ndiyenze loo nto
enkosini yam, umthanjiswa kaYehova, ndisise isandla sam kuye; ngokuba
ungumthanjiswa kaYehova.

7UDavide wawadubula ngamazwi amadoda akhe; akawavumela ukuba amwele
uSawule. Wesuka uSawule emqolombeni, wahamba indlela yakhe.

8Wesuka uDavide emveni koko, waphuma emqolombeni, wamemeza kuSawule,
wathi, Nkosi yam, kumkani. Wabheka emva uSawule. Wathoba uDavide ngobuso
emhlabeni, waqubuda.

9Wathi uDavide kuSawule, Yini na ukuba uve amazwi abathe, Nanku uDavide efuna
ukuba uhlelwe bububi?

10Yabona, namhla abonile amehlo akho, ukuba uYehova ebekunikele esandleni sam
namhla emqolombeni; kwathiwa mawubulawe. Laba nenceba kuwe iliso lam, ndathi,
Andiyi kusa sandla enkosini yam; ngokuba ingumthanjiswa kaYehova.

11Khangela ke, bawo, nali isondo lengubo yakho yokwaleka, lisesandleni sam;
ngokuba, ndingakubulalanga nje ekulinqumleni isondo lengubo yakho yokwaleka,
yazi, ubone ukuba esandleni sam akukho bubi nalukreqo. Andonanga kuwe,
uwuzingela nje umphefumlo wam, ukuba uwuthabathe.

12UYehova uya kugweba phakathi kwam nawe, andiphindezelele uYehova kuwe; ke
isandla sam asiyi kukuphatha.

13Njengoko litshoyo iqhalo lamanyange ukuthi, Okungendawo kuphuma
kwabangendawo; ke isandla sam asiyi kufikelela kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Úphumelene nabani na kodwa ukumkani wamaSirayeli? Úsukela bani na? Úsukela inja efileyo, úsukela intakumba embala.

15UYehova makabe ngumgwebi, agwebe phakathi kwam nawe, abone, abambane ngobambano lwam, andigwebele, ndisinde esandleni sakho.

16Kwathi, akugqiba uDavide ukuwathetha la mazwi kuSawule, wathi uSawule, Lilizwi lakho na elo, nyana wam Davide? USawule waliphakamisa izwi lakhe, walila.

17Wathi kuDavide, Ilungisa nguwe kunam; ngokuba undenzé okulungileyo wena, ndakwenza okubi mna.

18Wena uxelile namhla ukuba undenzé okulungileyo; kuba uYehova ebendinikele esandleni sakho, akwandibulala.

19Xa umntu alufumanayo utshaba lwakhe, wólundulula ngendlela elungileyo yini na? UYehova makabuyekeze kuwe okulungileyo ngenxa yoko undenze ngako namhla.

20Kaloku yabona, ndiyazi ukuba uya kuba ngukumkani okunene, bume esandleni sakho ubukumkani bakwaSirayeli.

21Ndífungele uYehova ngoko, ukuba akuyi kuyinqamla imbewu yam emveni kwam, nokuba akuyi kulitshabalalisa igama lam endlwini kabawo.

22UDavide wamfungela ke uSawule. Wemka uSawule, waya endlwini yakhe. Ke uDavide namadoda akhe benyuka baya emboniselweni.

USamuweli I 25

Ukufa kukaSamuweli

1Wafa uSamuweli. Abuthelana onke amaSirayeli, ammbambazelela, amngcwabela endlwini yakhe eRama. Wesuka uDavide, wehla waya entlango yeParan.

UDavide, uNabhali noAbhigali

2Ke kaloku bekukho indoda eMahon, emsebenzi ubuseKarmele. Loo ndoda ke ibisisityebi kakhulu; yayineegusha ezingamawaka amathathu, neebhokhwe eziliwaka. Yayisekuchetyweni kweegusha zayo eKarmele.

3Igama laloo ndoda lalinguNabhali, igama lomkayo linguAbhigali. Umfazi lowo wayenengqondo entle, eyinzwakazi; ke indoda leyo yayiyingcuka, zímbi iintlondi zayo, ingumKalebhi.

4Weva uDavide entlango ukuba uNabhali ucheba iigusha zakhe.

5UDavide wesusa ishumi lamadodana; wathi uDavide kumadodana lawo, Nyukani eKarmele niye kuNabhali, nibuze ukuphila kwakhe egameni lam;

6nitsho ukuthi, Hlala kakuhle uphile wena, iphile nendlu yakho, kuphile konke onakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ndivile kaloku ukuba unabachebi. Ke kaloku abalusi bakho babenathi; asibenzanga nto, abalahlekelwanga nto yonke imihla ababeseKarmele.

8Buza kumadodana akho, okuxelela. Makababalwe nguwe la madodana akowethu, ngokuba sifike ngemini elungileyo. Khawubanike abakhonzi bakho, nonyana wakho uDavide, into esithe sayifumana isandla sakho.

9Aya ke amadodana kaDavide, athetha kuNabhali ngokwaloo mazwi onke egameni likaDavide, ahlala phantsi.

10UNabhali wabaphendula abakhonzi bakaDavide, wathi, Ngubani na yena uDavide? Ngubani na unyana kaYese? Azi namhla baninzi abakhonzi abakreqayo, elowo enkosini yakhe.

11Ndingáthini na ukuthabatha isonka sam, namanzi am, nento yam exheliweyo, endiyixhelele abachebi bam, ndiyinike amadoda endingawaziyo nokuba avela phi na?

12Ajika ke amadodana akwaDavide, ahamba ngendlela yawo, abuya eza amxelela ngokwaloo mazwi onke.

13Wathi uDavide kumadoda akhe, Nxibani elowo ikrele lakhe. Banxiba ke elowo ikrele lakhe. Walinxiba noDavide ikrele lakhe. Kwenyuka uDavide, elandelwa ngamadoda akumakhulu amané; kwahlala amakhulu amabini nempahla.

14Ke kaloku uAbhigali, umkaNabhali, waxelelwa yindodana ethile kumadodana akhe, isithi, Yabona, uDavide ususe abathunywa entlango, ukuba beze kusikelela inkosi yethu; yesuka yabadlakavula.

15Kanti amadoda lawo ebelungile kunene kuthi; akasonanga, asilahlekelwanga nto ngemihla yonke esibe sihamba nawo, oko besisezindle;

16aba ludonga kuthi nasebusuku nasemini, yonke imihla ebe sinawo, sisalusa impahla emfutshane.

17Yazi ngoko, uyibone into oyenzayo; ngokuba kugqitywe kwelobubi ngakwinkosi yethu, nangakwindlu yayo yonke; ilitshijolo, akusenakuthethwa nayo.

18Wakhawuleza ke uAbhigali, wathabatha amakhulu amabini ezonka, neentsuba zambini zewayini, neegusha zantlanu sezihlinziwe, neeseha zantlanu zamakhweba, zalikhulu izicumba zeerasintyisi, zamakhulu mabini izicumba zamakhiwane, wazibeka emaesileni.

19Wathi kumadodana akwakhe, Gqithelani phambi kwam; niyabona, ndiyanilandela. Akayixelela indoda yakhe uNabhali.

20Kwathi, ekhwele eesileni, esihla esitheni lentaba, nabo ooDavide namadoda akhe besihla, bemkhawulela, waqubisana nabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ke kaloku uDavide ebethe, Ndifumane ndazixokisa ngokwam, ndazigcina zonke izinto zaló entlango, akwalahleka nto entweni yonke eyeyakhe; wandibuyisela ububi esikhundleni sokulungileyo.

22UThixo makenjenje kwiintshaba zikaDavide, aqokele ukwenjenje, ukuba kude kwasa ngomso ndisalisé, kubo bonke anabo, into eyindoda.

23UAbhigali wambona uDavide, wangxama, wehla e-esileni, wawa ngobuso phambi koDavide, waqubuda emhlabeni.

24Wawa ke ezinyaweni zakhe, wathi, Mabube kum, kum lo, nkosi yam, ubugwenza obu. Makhe athethe umkhonzazana wakho ezindlebeni zakho, uwaphulaphule amazwi omkhonzazana wakho.

25Inkosi yam mayingàkhe ikhathale ngulo mntu ulitshijolo, uNabhali; ngokuba njengoko linjalo igama lakhe, únjalo yena; nguNabhali igama lakhe, unobudenge; ke mna, mkhonzazana wakho, andiwabonanga amadodana enkosi yam, owawathumayo.

26Ngoko, nkosi yam, ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo wakho, inene, uYehova ukunqandile ukuba ungaphalazi gazi, ungazisindisi ngesandla sakho; ngoko mazibe njengoNabhali iintshaba zakho, nabayifunela ububi inkosi yam.

27Ngoko le ntsikelelo, ayizisileyo umkhonzazana wakho enkosini yam, mayinikwe amadodana alandela inkosi yam.

28Khawumxolele umkhonzazana wakho ukreqo lwakhe; ngokuba, inene, uYehova uya kuyenzela inkosi yam indlu eqinileyo; ngokuba inkosi yam ilwa iimfazwe zikaYehova; ububi abuyi kufunyanwa kuwe imihla yakho yonke.

29Xa kuthe kwesuka umntu, wakusukela, wawufuna umphefumlo wakho, wóbotshwa umphefumlo wenkosi yam esiqhumeni sabaphilileyo kuYehova uThixo wakho; ke wona umphefumlo weentshaba zakho wowusawula entendeni yenkwitshi.

30Kuthi, xa uYehova athe wenza kwinkosi yam njengako konke okulungileyo akuthethileyo ngawe; wakumisa wayingànga yamaSirayeli:

31oko kungabi sisiwiso kuwe, nesikhubekiso sentliziyo yenkosi yam, nokuphalaza igazi elimsulwa, nokuzisindisa kwenkosi yam; ukuba uthe uYehova wenza okulungileyo enkosini yam, wómkhumbula umkhonzazana wakho.

32Wathi ke uDavide kuAbhigali, Makabongwe uYehova, uThixo kaSirayeli, okuthumileyo namhla, wandikahwulela.

33Mayibongwe imvo yakho, ubongwe wena, ondaleleyo namhla ukuba ndiphalaze igazi, ndizisindise ngesandla sam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Noko ke ehleli nje uYehova, uThixo kaSirayeli, ondithinteleyo àndenza nto imbi,
ukuba ubungangxamanga uze kundikhawulela, inene, ngekungadanga kuse ngomso
kusasele kwaNabhali into eyindoda.

35UDavide wakwamkela esandleni sakhe oko akuzisileyo kuye; wathi kuye, Nyuka
unoxolo, uye endlwini yakho; uyabona, ndiliphulaphule izwi lakho, ndakunonelela.

36Waya ke uAbhigali kuNabhali, nanko enesidlo endlwini yakhe njengesidlo
sokumkani; intliziyo kaNabhali imnandi, enxila kunene. Akamxelela nto, nokuba
yencinane nokuba yenkulu, kwada kwasa ngengomso.

37Kwathi ngengomso, ukuphuma kwewayini kuNabhali, umkakhe wamxelela loo
mazwi; yafa intliziyo yakhe phakathi kwakhe, yaba lilitye.

38Kwathi, zakuba seshumini iintsuku, uYehova wambetha uNabhali, wafa.

39Weva uDavide ukuba uNabhali ufile, wathi, Makabongwe uYehova okuthetheleleyo
ukungcikivwa kwam, wandikhulula esandleni sikaNabhali, wamnqanda umkhonzi
wakhe ebubini, uYehova wabubuyisela ububi bukaNabhali entlokweni yakhe.
Wathumela uDavide, wathetha kuAbhigali ukuba amzeke, abe ngumkakhe.

40Baya abakhonzi bakaDavide kuAbhigali eKarmele, bathetha kuye, besithi, UDavide
usithume kuwe ukuba akuzeke, ube ngumkakhe.

41Wesuka, waqubuda ngobuso emhlabeni, wathi, Nanku umkhonzazana wakho
wokuba likhobokazana lokuhlamba iinyawo zabakhonzi benkosi yam.

42Wangxama ke uAbhigali, wesuka, wakhwela e-esileni, elandelwa sisihlanu
somthinjana, wabalandela abathunywa bakaDavide, waba ngumkakhe.

43UDavide wabezeke noAhinowam waseYizereli; baba ngabafazi bakhe bobabini
nabo.

44Ke uSawule wayethe uMikali, intombi yakhe, umkaDavide, wamnika uFaliti, unyana
kaLayishe waseGalim.

USamuweli I 26

UDavide usindisa ubomi bukaSawule entlango yeZifi

1Beza abaseZifi kuSawule eGibhela, bathi, UDavide àkazifihlé endulini yeHakila,
ekhangelene nenkangala, yini na?

2Wesuka uSawule, wehla waya entlango yeZifi, enamadoda angamawaka amathathu
ahleliweyo akwaSirayeli, eya kufuna uDavide entlango yaseZifi.

3USawule wamisa endulini yeHakila, ekhangelene nenkangala, ngasendleleni. Ke
uDavide wayehleli entlango; wabona ukuba uSawule uyamlandela entlango.

4UDavide wasusa iintlola, wazi ngazo ukuba uSawule uzile okunene.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wesuka uDavide, waya kuloo ndawo ebemise kuyo uSawule. Wayibona uDavide indawo alele kuyo uSawule, noAbhinere unyana kaNere, umthetheli womkhosi wakhe; uSawule elele ngaphakathi kothango lweenqwelo zokulwa, abantu bemise iintente ngeenxa zonke kuye.

6Waphendula uDavide, wathi kuAhimeleki umHeti, nakuAbhishayi, unyana kaTseruya, umzalwana kaYowabhi, Ngubani na oya kuhla nam aye kuSawule empini? Wathi uAbhishayi, Mna ndohla nawe.

7Waya uDavide noAbhishayi ebantwini ebusuku. Nanko uSawule elele ubuthongo ngaphakathi kothango lweenqwelo zokulwa, igxunyekiwe intshuntshe yakhe emhlabeni ngasentlokweni yakhe; ke uAbhinere nabantu bakhe belele ngeenxa zonke kuye.

8Wathi uAbhishayi kuDavide, UThixo ulunikele namhla utshaba lwakho esandleni sakho; kaloku makhe ndimqhame nomhlaba ngentshuntshe ngasihlandlo sinye, ndingenzi zibe zibini kuye.

9Wathi uDavide kuAbhishayi, Musa ukumbulala; ngokuba ngubani na ongasa isandla kumthanjiswa kaYehova, aze abe msulwa?

10Wathi uDavide, Ehleli nje uYehova, ukuba akathanga uYehova ambulale, mhlawumbi kwafika imini yakhe wafa, mhlawumbi wehla waya emfazweni wabulawa:

11makube lee kum ngenxa kaYehova ukukha ndise isandla sam kumthanjiswa kaYehova. Khawuthabathe kaloku intshuntshe engasentlokweni yakhe, neselwa lamanzi, sihambe.

12Wayithabatha ke uDavide intshuntshe, neselwa lamanzi, engasentlokweni kaSawule; bemka, kungaboni mntu, kungazi mntu, kungavukanga mntu; ngokuba bonke babelele: kuba babewelwe bubuthongo obukhulu bukaYehova.

13Wawela uDavide, waya phesheya, wema encotsheni yentaba kude, lilikhulu ithuba phakathi kwabo.

14Wamemeza uDavide ebantwini nakuAbhinere unyana kaNere, esithi, Akuphenduli na, Abhinere? Waphendula uAbhinere, wathi, Ungubani na wena umemezayo kukumkani?

15Wathi uDavide kuAbhinere, Àkuyiyo ndoda yini na? Ngubani na onjengawe kwaSirayeli? Yini na ke ukuba ungayigcini inkosi yakho ukumkani? Ngokuba kufike ubani wasebantwini, eza konakalisa ukumkani inkosi yakho.

16Asinto ilungileyo le uyenzileyo. Ehleli nje uYehova, ningoonyana bokufa, ningayigcinanga nje inkosi yenu, umthanjiswa kaYehova. Khangela kaloku, iphi na intshuntshe yokumkani, neselwa lamanzi elibe lingasentlokweni yakhe?

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Walazi uSawule ilizwi likaDavide, wathi, Lilizwi lakho na elo, nyana wam Davide? Wathi uDavide, Lilizwi lam, nkosi yam kumkani.

18Wathi, Yini na le nto inkosi yam imsukelayo umkhonzi wayo? Kuba ndezé ntoni na? Bubi buni na obusesandleni sam?

19Ngoko inkosi yam ukumkani mayikhe iwaphulaphule amazwi omkhonzi wayo. Ukuba nguYehova okuxhokonxileyo ngakum, makasezele umnikelo wokudla; ukuba ngoonyana babantu, mabaqalekiswe phambi koYehova. Ngokuba bandigxothile namhla, ukuba ndingahlangani nelifa likaYehova, bathi, Hamba ukhonze thixo bambi.

20Ngoko malingaphalali igazi lam emhlabeni, ndíkude nobuso bukaYehova; ngokuba kuphume ukumkani wamaSirayeli, weza kufuna intakumba embala, njengosukela isikhwatsha ezintabeni.

21Wathi uSawule, Ndonile; buya, nyana wam Davide; ngokuba andisayi kuba sakwenza nto imbi, ngendawo yokuba umphefumlo wam ubunqabile emehlweni akho namhla. Uyabona, ndenze ngobudenge, ndalahleka ngokukhulukazi.

22Waphendula uDavide, wathi, Nantsi intshuntshe yokumkani. Makuwele enye indodana iyithabathe.

23UYehova uya kuyibuyisela ubulungisa bayo, nokuthembeka kwayo, indoda abekunikele esandleni sayo uYehova namhla; andivumanga ukusa isandla sam kumthanjiswa kaYehova.

24Yabona, njengoko waba mkhulu umphefumlo wakho emehlweni am namhla, ngokunjalo umphefumlo wam uya kuba mkhulu emehlweni kaYehova, andihlangule ekubandezelweni kwam konke.

25Wathi uSawule kuDavide, Usikelelwe, nyana wam Davide; uya kwenza weyise; kananjalo uya kufeza kufezeke. Wahamba ke uDavide indlela yakhe; uSawule wabuyela endaweni yakhe.

USamuweli I 27

UDavide usabela eGati, aze amkele iTsikelage

1UDavide wathi entliziyweni yakhe, Kaloku ndoza ndibulawe ngenye imini sisandla sikaSawule; akukho nto indilungeleyo; ke mandizisindise, ndizisindisele ezweni lamaFilisti, andincame uSawule, angabi sandifuna emideni yonke yamaSirayeli, ndisinde ke esandleni sakhe.

2Wesuka ke uDavide, wawela yena namadoda angamakhulu amathandathu abenawo, waya kuAkishe, unyana kaMahoki, ukumkani waseGati.

3UDavide wahlala noAkishe eGati, yena namadoda akhe, yayileyo yanendlu yayo; uDavide enabafazi bakhe bobabini, uAhinowam waseYizereli, noAbhigali waseKarmele, umkaNabhali.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Waxelelwa uSawule ukuba uDavide ubalekele eGati, akaba saphinda amfune.

5Wathi uDavide kuAkishe, Ukuba ke ngoku ùndibabale, ndínike indawo komnye umzi wasezweni, ndihlale khona; yini na ukuba umkhonzi wakho ahlale ndawonye nawe emzini wakomkhulu?

6UAkishe wamnika ngaloo mini iTsikelage. Ngako oko iTsikelage yaba yeyokumkani wakwaYuda unanamhla.

7Inani lemihla, awahlala ngayo uDavide ezweni lamaFilisti, laba ngumnyaka oneenyanga eziné.

8Ke kaloku wenyuka uDavide namadoda akhe, bawangenela amaGeshure, namaGezere, nama-Amaleki; ngokuba abo bebengabemi belizwe elo, bekuhanjwa kulo ukuyiwa eShure, kuyiwe nasezweni laseYiputa, kususela kwakudala.

9UDavide walitshabalalisa elo zwe; akasindisa ndoda namfazi. Wathabatha impahla emfutshane, neenkomo, namaesile, neenkamela, neengubo, wabuya weza kuAkishe.

10Wathi uAkishe, Khe nahlasela phi na namhlanje? Wathi uDavide, Sibe singenele elasezantsi lakwaYuda, nelasezantsi lamaYerameli, nelasezantsi lamaKeni.

11UDavide akasindisanga ndoda namfazi, ungamsayo eGati, ngokuthi, Hleze basixele, bathi, Wenjenje uDavide. Lalinjalo ke isiko lakhe yonke imihla abehleli ezweni lamaFilisti.

12UAkishe wakholwa nguDavide, wathi, Úgqibile ukuzinukisa ebantwini bakowabo kwaSirayeli; wóba ngumkhonzi wam ke ngonaphakade.

USamuweli I 28

USawule nenkazana eneshologu e-Endore

1Kwathi ngaloo mihla, amaFilisti ayihlanganisa yonke imikhosi yawo, ukuze aphume umkhosi aye kulwa namaSirayeli. Wathi uAkishe kuDavide, Yazi ngokuqinisekileyo ukuba ùya kuphuma nomkhosi wam, wena namadoda akho.

2Wathi uDavide kuAkishe, Kaloku ùya kuyazi into eya kwenziwa ngumkhonzi wakho. Wathi uAkishe kuDavide, Ngoko ke ndokumisa ube ngumgcini wentloko yam imihla yonke.

3Ke kaloku uSamuweli ubeselefile; abemmbambazelele onke amaSirayeli; abemngcwabele eRama, emzini wakhe. USawule ebebagxothile ezweni abaneshologu noosiyazi.

4Ahlanganisana ke amaFilisti, aya amisa eShunem. Wawahlanganisa uSawule amaSirayeli onke, amisa eGilibhowa.

5Wayibona uSawule impi yamaFilisti, woyika; yagubha intliziyo yakhe kunene.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wabuza uSawule kuYehova; uYehova akamphendula nangamaphupha, nangeeUrim, nangabaprofeti.

7Wathi uSawule kubakhonzi bakhe, Ndifuneleni inkazana enesholog u, ndiye kuyo, ndibuze kuyo. Bathi kuye abakhonzi bakhe, Nantsiya inkazana enesholog u e-Endore.

8USawule wazenza mntu wumbi, wambatha ngubo zimbi, waya enamadoda amabini. Baya bafika kwinkazana leyo ebusuku. Wathi, Khawundivumisele ngesholog u lakho, undinyusele lowo ndiya kuthetha yena kuwe.

9Yathi inkazana leyo kuye, Yabona ùyakwazi nawe akwenzileyo uSawule, ukuba ubanqamle ezweni abanesholog u noosiyazi; yini na ukuba uwuthiyele umphefumlo wam, ukuze ndibulawe.

10USawule wayifungela uYehova, esithi, Ehleli nje uYehova, inene, akuyi kuba natyala ngale ndawo.

11Yathi inkazana, Ndíkunyusele bani na? Wathi, Ndinyusele uSamuweli.

12Yambona inkazana uSamuweli, yakhala ngezwi elikhulu. Yatsho inkazana leyo kuSawule, ukuthi, Yini na ukuba undikhohlise? ÚnguSawule wena.

13Wathi ukumkani kuyo, Musa ukoyika. Uboné ntoni na? Yathi inkazana kuSawule, Ndibona umnyanya unyuka uphuma emhlabeni.

14Wathi kuye, Únjani na ukumila kwawo? Yathi inkazana, Kunyuke indoda enkulu, ithe wambu ingubo yokwaleka. Wazi ke uSawule ukuba nguSamuweli lowo. Wathoba ngobuso emhlabeni, waqubuda.

15Wathi uSamuweli kuSawule, Yini na ukuba undigungqise, undinyuse? Wathi uSawule, Ndibandezelekile kakhulu; amaFilisti alwa nam, uThixo umkile kum, akasandiphenduli nangabaprofeti nangamaphupha; ndikubizéle ukuba undazise into endingayenzayo.

16Wathi uSamuweli, Yini na ukuba undibuze, uYehova emkile nje kuwe, waba lutshaba lwakho?

17UYehova uzenzele njengoko wakuthethayo ngam: uYehova ubukrazule esandleni sakho ubukumkani, wabunika ummelwane wakho uDavide.

18Ngokuba ungaliphulaphulanga izwi likaYehova, ungenzanga njengokuvutha komsindo wakhe kuma-Amaleki, ngenxa yoko uYehova uyenzile le nto kuwe namhla.

19Úwanikele uYehova namaSirayeli kunye nawe esandleni samaFilisti. Ngomso wena noonyana bakho niya kuba nam; nomkhosi wamaSirayeli uYehova uya kuwunikela esandleni samaFilisti.

20Wawa kwaoko uSawule emhlabeni, waqungquluza, woyika kunene ngamazwi kaSamuweli; akwabakho namandla kuye; ngokuba ubengadlanga kudla imini yonke nobusuku bonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Yeza inkazana leyo kuSawule, yabona ukuba ukhwankqe kunene. Yathi kuye,
Yabona, umkhonzazana wakho uliphulaphule izwi lakho, ndawenza isichenge
umphefumlo wam, ndaweva amazwi akho owathetháyo kum.

22Khawuliphulaphule nawe ngoko izwi lomkhonzazana wakho; makhe ndibeke
iqhekeza lesonka phambi kwakho, udle, ube namandla xa uhamba indlela.

23Akavuma ke; wathi, Andiyi kudla. Bamzama abakhonzi bakhe kwanenkazana leyo.
Waliphulaphula izwi labo, wavuka ke emhlabeni, wahlala elukhukweni.

24Ke kaloku inkazana leyo yayinethole elityetyisiweyo endlwini; yangxama, yalixhela;
yathabatha umgubo ocoliweyo, yawuxovula, yosa izonka ezingenagwele ngawo.

25Yabeka phambi koSawule naphambi kwabakhonzi bakhe. Badla, besuka ke,
bahamba ngobo busuku.

USamuweli I 29

Ukugxothwa kukaDavide emkhosini wamaFilisti

1Ayihlanganisa ke amaFilisti yonke imikhosi yawo eAfeki. AmaSirayeli amisa
ngasemthonjeni oseYizereli.

2Izikhulu zamaFilisti zadlula zinamakhulu, zinamawaka; uDavide namadoda akhe
bedlula ngasemva noAkishe.

3Bathi abathetheli bamaFilisti, Ayini na la maHebhere apha? Wathi uAkishe
kubathetheli bamaFilisti, Lo asinguye na uDavide umkhonzi kaSawule, ukumkani
wamaSirayeli, oseleneemini neminyaka enam? Andifumananga mposiso kuye,
kuthabathela kumhla awaphamba ngawo, kwezisa kule mini.

4Abathetheli bamaFilisti baba noburhalarhume ngakuye, bathi kuye abathetheli
bamaFilisti, Yibuyise loo ndoda, ibuyele endaweni yayo, apho wayiyalela khona,
ingehli nathi iye ekulweni, hleze isichase ekulweni. Angázikholisisa ngantoni na lo
enkosini yakhe? Àkungeentloko zala madoda yini na?

5Lo asinguye na uDavide, ababevuma ngaye ekungqungqeni, besithi, USawule
ubulele amawaka akhe, UDavide ubulele amawaka akhe angamashumi?

6UAkishe wambiza uDavide, wathi kuye, Ehleli nje uYehova, ùthe tye wena; kùhle
emehlweni am ukuphuma kwakho nokungena kwakho nam emkhosini; ngokuba
andifumananga bubi kuwe, kuthabathela kumhla wokuza kwakho kum, kuzise kule
mini; ke emehlweni ezikhulu akumhle.

7Ke ngoko buya, uhambe unoxolo, ungenzi bubi emehlweni ezikhulu zamaFilisti.

8Wathi uDavide kuAkishe, Ndenzé ntoni na? Ùfumene ntoni na kumkhonzi wakho,
kuthabathela kumhla wokubakho kwam phambi kwakho, kuzise kule mini, ukuba
ndingayi nje, ndilwe neentshaba zenkosi yam ukumkani?

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Waphendula uAkishe wathi kuDavide, Ndiyazi ukuba ùlungile emehlweni am njengesithunywa sikaThixo; kodwa abathetheli bamaFilisti bathe, Makangenyuki nathi, aye ekulweni.

10Ngoko vuka kusasa ngomso, nabakhonzi benkosi yakho abazé nawe; nivuke kusasa ke ngomso, kwakusathi nwe, nihambe.

11Bavuka ke kusasa uDavide, yena namadoda akhe, bahamba kwakusasa, babuyela ezweni lamaFilisti. AmaFilisti enyuka ke, aya eYizereli.

USamuweli I 30

Ama-Amaleki ahlasela iTsikelage; asukelwa nguDavide

1Kwathi, akufika uDavide namadoda akhe eTsikelage ngomhla wesithathu, afika ama-Amaleki elingenele elasezantsi neTsikelage, ayibetha iTsikelage, ayitshisa ngomlilo.

2Abathimba abafazi ababekhona, kodwa akabulala mntu, ukuthabathela komncinane ase komkhulu; aqhuba ahamba ngendlela yawo.

3Akufika ke uDavide namadoda akhe ekhaya, nalo litshisiwe ngomlilo, bethinjiwe abafazi babo, noonyana babo, neentombi zabo.

4Baliphakamisa ooDavide nabantu ababenaye ilizwi labo, balila, kwada akwabakho mandla kubo okulila.

5Nabafazi bakaDavide bobabini babethinjiwe, uAhinowam waseYizereli, noAbhigali, umkaNabhali, waseKarmele.

6Wabandezeleka kunene uDavide; ngokuba abantu babethetha ngokumxuluba ngamatye; kuba umphefumlo wabantu bonke ubukrakra, elowo ngenxa yoonyana bakhe nangenxa yeentombi zakhe. Ke uDavide wazomelezela kuYehova uThixo wakhe.

7Wathi uDavide kuAbhiyatare umbingeleli, unyana ka-Ahimeleki, Khawuzise iefodi kum. UAbhiyatare wayizisa iefodi kuDavide.

8Wabuza uDavide kuYehova, esithi, Ndíwasukele na la matutu? Ndowafumana na? Wathi kuye, Sukela; ngokuba ùya kuwafumana okunene; uya kuhlangula konke.

9Wahamba ke uDavide, yena namadoda angamakhulu amathandathu anawo. Bafika emlanjaneni oyiBhesore, amanye asala khona.

10Wasukela uDavide, yena namakhulu amané amadoda; asala ke amakhulu amabini amadoda aphelelweyo, angenakuwela emlanjaneni oyiBhesore.

11Ke kaloku bafumana indoda engumYiputa isendle. Bayizisa kuDavide, bayinika isonka; yadla; bayiseza amanzi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

12bayinika ke icandelo lesicumba samakhiwane namacandelo amabini esicumba seerasintyisi, yadla. Wabuyela kuyo umoya wayo; kuba ibingadlanga kudla, ingaselanga manzi, iimini ezintathu nobusuku obuthathu.

13Wathi uDavide kuyo, Ungumni na? Uvela phi na? Yathi, Ndingumfana ongumYiputa, isicaka sendoda engumAmaleki; indishiyile inkosi yam; kuba ndintsuku ntathu namhla ndisifa.

14Sìbe sithe sangenela elasezantsi lamaKreti nelakwaYuda, nelasezantsi lakwaKalebhi, sayitshisa iTsikelage ngomlilo.

15Wathi uDavide kuyo, Ungándisá na kuloo matutu? Yathi, Ndífungele uThixo, ukuba akuyi kundibulala, akuyi kundinikela esandleni senkosi yam; ndokusa kuloo matutu.

16Yamsa ke. Nango ezithe dwe phezu kwelizwe lonke, esidla, esela, eduda ngenxa yalo lonke ixhoba elikhulu, abelithimbile ezweni lamaFilisti, nasezweni lakwaYuda.

17UDavide wawabulala, eqale ngocolothi kwada kwahlwa ngomhla olandelayo; akwasinda namnye kubo, yaba ngamakhulu amané amadodana odwa abekhwele ezinkameleni, asaba.

18Wayihlangula uDavide yonke into abeyithimbile ama-Amaleki. Nabafazi bakhe bobabini wabahlangula uDavide;

19akwasala nanye into kuzo, kuthabathela kwencinane kwesa kwenkulu, kwesa koonyana neentombi; kwathabathela kwixhoba kwesa kwinto yonke abeyithimbile kubo. Yonke into wayibuyisa uDavide.

20Wayithimba yonke impahla emfutshane neenkomo; baqhuba phambi kwaloo mfuyo yakhe, bathi, Lixhoba likaDavide eli.

21Wafika ke uDavide kulaa madoda angamakhulu mabini abephelelwe, abengenakumlandela uDavide, awayewashiye emlanjaneni oyiBhesore. Aphuma aya kumkhawulela uDavide aya kubakhawulela abantu ababenaye. UDavide wafika ebantwini, wababuza ukuphila kwabo.

22Aphendula onke amadoda obubi namatshijolo akumadoda abehambe noDavide, athi, Ngenxa enokuba bengahambanga nathi, asiyi kubanika nto emaxhobeni esiwahlanguleyo; elowo makaqhube umkakhe, nabantwana bakhe, ahambe.

23Wathi uDavide, Ningènjenjalo, bazalwana bam, ngento asinikileyo uYehova, wasigcina, wayinikela esandleni sethu impi leyo ibisifikele.

24Ngubani na oya kuniva kweli lizwi? Njengoko sinjalo isabelo sohla aye ekulweni, sinjalo isabelo sosele nempahla; baya kwabelana ngakunye.

25Kwaba njalo, kuthabathela kuloo mini kunyuse, wakumisa kwaba ngummiselo nesiko kwaSirayeli unanamhla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Weza uDavide eTsikelage, wathumela inxenye yamaxhoba kumadoda amakhulu akwaYuda, kumakowabo, esithi, Nantso intsikelelo yenu emaxhobeni eentshaba zikaYehova;

27kwawaseBheteli, nakwawaseRamoti esezantsi, nakwawaseYatire,

28nakwawaseArohere, nakwawaseSifimoti, nakwawase-Eshtemowa,

29nakwawaseRakali, nakwawasemizini yamaYerameli, nakwawasemizini yamaKeni,

30nakwawaseHorma, nakwawaseKorashan, nakwawaseAtaki,

31nakwawaseHebron, nasezindaweni zonke apho uDavide abehambahamba khona, yena namadoda akhe.

USamuweli I 31

Ukoyiswa kwamaSirayeli entabeni yeGilibhowa nokufa kukaSawule nokukaYonatan

1AmaFilisti ke ayesilwa namaSirayeli; asaba amadoda akwaSirayeli phambi kwamaFilisti, awa angxwelerhiweyo ezintabeni zeGilibhowa.

2AmaFilisti athana mbende noSawule noonyana bakhe; amaFilisti ambulala uYonatan, noAbhinadabhi, noMalekishuwa, oonyana bakaSawule.

3Kwaba nzima ukulwa kuSawule; bamfumana abatoli, amadoda anesaphetha, wathuthumela kakhulu ngenxa yabatoli.

4Wathi uSawule kumphathi weentonga zakhe, Rhola ikrele lakho, undihlabe ngalo, hleze aba bangalukileyo beze bandihlabe amahlanza, bafekethe ngam. Ke umphathi weentonga zakhe akavumanga; ngokuba ebesoyika kunene. Walithabatha ke uSawule ikrele, wawa phezu kwalo.

5Wabona umpathi weentonga zakhe ukuba ufile uSawule, wawa naye phezu kwekrele lakhe, wafa kunye naye.

6Wafa ke uSawule, noonyana bakhe bobathathu, nomphathi weentonga zakhe, namadoda akhe onke ngaloo mini, ndaweni-nye.

7Abona amadoda akwaSirayeli, abengaphesheya kwentili, nabengaphesheya kweYordan, ukuba asabile amadoda akwaSirayeli, ufile uSawule noonyana bakhe. Ayishiya imizi leyo, asaba; eza amaFilisti, ahlala kuyo.

8Kwathi ngengomso amaFilisti eza kubhunyula ababebulewe. Amfumana uSawule noonyana bakhe bobathathu, bewile ezintabeni zeGilibhowa.

9Amnqumla intloko, aziphanga iintonga zakhe, athumela elizweni lamaFilisti ngeenxa zonke, ukuba kushunyayelwe iindaba ezilungileyo ezindlwini zezithixo zawo nasebantwini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Azibeka iintonga zakhe ezindlwini zooAshtaroti; awubuthelela umzimba wakhe eludongeni lwaseBhete-shan.

11Beva abemi baseYabheshe yaseGiliyadi akwenzileyo amaFilisti kuSawule;

12esuka onke amadoda anobukroti, ahamba ubusuku bonke, awuthabatha umzimba kaSawule, nemizimba yoonyana bakhe, eludongeni lwaseBhete-shan; eza eYabheshe, ayitshisa khona.

13Awathabatha amathambo abo, awangcwabela phantsi komtamariske eYabheshe; azila ukudla iintsuku zasixhenxe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

USamuweli II

USamuweli II 1

UDavide ufumana udaba lokufa kukaSawule

1Kwathi emva kokufa kukaSawule, uDavide ebuyile ekuwabulaleni ama-Amaleki,
wahlala uDavide eTsikelage imihla emibini.

2Kwathi ke ngomhla wesithathu, kwabonakala kuvela indoda emkhosini, kuSawule,
zikrazukile iingubo zayo, inomhlaba entloko; kwathi ekuzeni kwayo kuDavide, yawa
emhlabeni, yaqubuda.

3Wathi uDavide kuyo, Uvela phi na? Yathi kuye, Ndisabe emkhosini wamaSirayeli.

4Wathi uDavide kuyo, Kuthekeni na? Khawundixelele. Yathi, Hayi, babalekile abantu
ekulweni; kananjalo kuwé into eninzi yabantu, yafa; kananjalo uSawule, noYonatan
unyana wakhe, babulewe.

5Wathi uDavide kwindodana ebimxelela, Wazi ngani na, ukuba uSawule ufile,
noYonatan unyana wakhe?

6Yathi indodana ebimxelela, Kuthe ukuthi gaxa kwam, ndafika ezintabeni
zaseGilibhowa; nanku uSawule ayame ngentshuntshe yakhe; nabo abeenqwelo
zokulwa nabamahashe bethene mbende naye.

7Uthe akubheka, wandibona, wandibiza; ndathi, Sendikho.

8Wathi kum, Ungubani na? Ndathi kuye, NdingumAmaleki.

9Wathi kum, Khawume phezu kwam, undibulale, ngokuba ndiphelelwe; kuba
andikafi kanye.

10Ndema phezu kwakhe, ndambulala; ngokuba bendisazi ukuba akayi kuba saphila
emva kokuwa kwakhe. Ndathabatha isithsaba esibe sisentlokweni yakhe, nesacholo
esibe sisengalweni yakhe; ndizise zona apha kwinkosi yam.

11Wazibamba uDavide iingubo zakhe, wazikrazula, kwanamadoda akhe onke
abenawo;

12bammbambazelela, balila, bakuzila ukudla kwada kwahlwa, ngenxa kaSawule,
nangenxa kaYonatan unyana wakhe, nangenxa yabantu bakaYehova, nangenxa
yendlu kaSirayeli; ngokuba bewile likrele.

13Wathi uDavide kwindodana ebimxelela, Ungowaphi na? Yathi, Ndingunyana
wendoda engumhambi, umAmaleki.

14Wathi uDavide kuyo, Ùtheni ukuba ungoyiki ukusa isandla sakho, umbulale
umthanjiswa kaYehova?

© 1975 Bible Society of South Africa.

15UDavide wabiza enye yakumadodana, wathi, Sondela, uyibulale. Yayixabela ke, yafa.

16Wathi ke uDavide kuyo, Igazi lakho malibe sentlokweni yakho; ngokuba umlomo wakho úlingqina ngawe, usithi, Mna ndimbulele umthanjiswa kaYehova.

UDavide wenza isimbonono elilela uSawule noYonatan

17Ke kaloku uDavide wasenza esi simbonono ngoSawule nangoYonatan unyana wakhe,

18wathi mabayifundiswe oonyana bakaYuda ingoma leyoyesaphetha; nantso ibhaliwe encwadini yOthe Tye.

19Imbalarha, Sirayeli, ibulewe emimangweni yakho! Hayi, ukuwa kwamagorha!

20Musani ukuxela eGati; Musani ukwenza zindaba ezitratweni zeAshkelon, Hleze zivuye iintombi zamaFilisti, Hleze zivuyelele iintombi zabangalukileyo.

21Nina zintaba zaseGilibhowa, Makungaze kubekho mbethe, makungaze kubekho mvula kuni, namasimi emirhumo; Ngokuba khona kwangcola iingweletshetshe zamagorha, Ingweletshetshe kaSawule, wanga waye engathanjiswanga ngeoli.

22Egazini labahlatyiweyo, emanqatheni amagorha, Isaphetha sikaYonatan besingabuyi umva, Ikrele likaSawule belingabuyi lilambatha.

23USawule noYonatan babeziinzwana, bethandeka ekudleni kwabo ubomi, Nasekufeni kwabo abahlukananga. Babenamendu ngaphezu kwamaxhalanga, Babenamandla ngaphezu kweengonyama.

24Zintombi zakwaSirayeli, mlileleni uSawule, Obenambesa iingubo ezibomvu, eniyolisa; Obeninxiba izihombo zegolide ezambathweni zenu.

25Hayi, ukuwa kwamagorha phakathi kwemfazwe! UYonatan ubulawelwe emimangweni yakho

26Ndibandezelekile ngenxa yakho, mzalwana wam Yonatan; Ùbumnandi kakhulu kum; Kubalukekile ukundithanda kwakho Ngaphezu kokuthanda komntu oyinkazana.

27Hayi, ukuwa kwamagorha! Adakile amadoda okulwa!

USamuweli II 2

UDavide ukumkani wakwaYuda eHebron

1Kwathi emveni koko, wabuza uDavide kuYehova, esithi, Ndinyùke na ndiye emzini wakwaYuda? Wathi uYehova kuye, Nyuka. Wathi uDavide, Ndinyùke ndiye phi na? Wathi yena, EHebron.

2Wenyuka ke waya khona uDavide, nabafazi bakhe bobabini, uAhinowam waseYizereli, noAbhigali, umkaNabhali, waseKarmele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Namadoda akhe abenawo wawanyusa uDavide, yayileyo nendlu yayo, ahlala emizini yaseHebron.

4Eza amadoda akwaYuda, amthambisa khona apho uDavide ukuba abe ngukumkani kwindlu yakwaYuda. Kwaxelwa kuDavide, kusithiwa, Amadoda aseYabheshe yaseGiliyadi, ngawo awamngcwabáyo uSawule.

5UDavide wathumela ke abathunywa kumadoda aseYabheshe yaseGiliyadi, wathi kuwo, Manisikelelwe nguYehova nina, nayenzelayo inkosi yenu uSawule loo nceba, nayingcwaba.

6Ngoko uYehova makanenzele inceba nenyaniso; nam ndiya kunenzela oko kulungileyo, ngokuba nayenzayo loo nto.

7Ke kaloku mazomelele izandla zenu, nibe ngamadoda anobukroti; ngokuba ifile inkosi yenu uSawule. Kananjalo indithambisile indlu yakwaYuda ukuba ndibe ngukumkani wayo.

UAbhinere wenza uIshbhoshete, unyana kaSawule, ukumkani wamaSirayeli

8Ke kaloku uAbhinere unyana kaNere, umthetheli womkhosi obungokaSawule, ebethabathe uIshbhoshete, unyana kaSawule, wamwezela eMahanayim,

9wamenza ukumkani eGiliyadi, nakuma-Askure, naseYizereli, nakwaEfrayim, nakwaBhenjamin, nakumaSirayeli onke.

10UIshbhoshete, unyana kaSawule, ebeminyaka imashumi mané ezelwe, ekwenziweni kwakhe ukumkani kumaSirayeli, wangukumkani iminyaka emibini. Kodwa indlu yakwaYuda yalandela uDavide.

11Inani lemihla uDavide abengukumkani kwindlu yakwaYuda eHebron, libe liyiminyaka esixhenxe eneenyanga ezintandathu.

Imfazwe yamakhaya; uAsaheli ubulawa nguAbhinere

12Waphuma uAbhinere unyana kaNere, nabakhonzi bakaIshbhoshete, unyana kaSawule, eMahanayim, baya eGibheyon.

13Baphuma uYowabhi unyana kaTseruya, nabakhonzi bakaDavide, baqubisana nabo echibini laseGibheyon. Bahlala aba echibini ngapha, bahlala abaya echibini ngaphaya.

14Wathi uAbhinere kuYowabhi, Amadodana makakhe asuke adlale phambi kwethu. Wathi uYowabhi, Makasuke.

15Kwesuka kwawela amanani: ishumi elinamabini lakwaBhenjamin, lakwaIshbhoshete unyana kaSawule, neshumi elinamabini kubakhonzi bakaDavide.

16Yaba ngulowo wabamba ummelwane wakhe ngentloko, nekrele lakhe lela ecaleni lowabo; bawa kunye ndaweninye. Kwathiwa ke le ndawo yiHelekati-hatsurim eseGibheyon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kwaliwa kakhulu ngaloo mini. Wagxothwa uAbhinere namadoda akwaSirayeli phambi kwabakhonzi bakaDavide.

18Babelapho bobathathu oonyana bakaTseruya: uYowabhi, noAbhishayi, noAsaheli. Ke uAsaheli waye enamendu, enjengebhadi lasendle.

19UAsaheli wamsukela uAbhinere; akathi gu bucala aye ngasekunene nangasekhohlo emva koAbhinere.

20Wabheka uAbhinere, wathi, ÙnguAsaheli na? Wathi yena, Ndinguye.

21Wathi uAbhinere kuye, Tyekela ngasekunene kwakho, nokuba kungasekhohlo kwakho, ubambe enye kumadodana, uzithabathele isikrweqe sayo.

22Ke uAsaheli akavuma ukutyeka ekumlandeleni. Wabuya waphinda wathi uAbhinere kuAsaheli, Tyeka ekundilandeleni; yini na ukuba ndide ndikubethe, uwe emhlabeni? Ndothini na ukubuphakamisa ubuso bam kuYowabhi, umkhuluwa wakho?

23Akavuma ukutyeka. UAbhinere wamtsho ngoluthi lwentshuntshe esiswini; yaya kuphuma intshuntshe ngasemva. Wawa khona, wafela kuloo ndawo. Bathi bonke abafika kuloo ndawo wàwa wafela kuyo uAsaheli, bee nqumama.

24OoYowabhi noAbhishayi bamsukela bamlandela uAbhinere, lada latshona ilanga; bada bafika edulini yeAma, ekhangelene neGiya, endleleni yentlango yeGibheyon.

25Bahlanganisana oonyana bakaBhenjamin, bamlandela uAbhinere, bambumba-nye, bema encotsheni yanduli-nye.

26Wamemeza uAbhinere kuYowabhi, wathi, Liya kumana ukudla na ikrele? Akwazi na ukuba kuya kuba krakra kamva? Kuya kuba mzuzu ungakanani na ungabaxeleli abantu, babuye ekusukeleni abazalwana babo?

27Wathi uYowabhi, Ehleli nje uYehova, ukuba bekungathelekiswanga nguwe, inene, ngebenyuswe bemka kwangokuyá kwakusasa abantu, elowo ákamsukela umzalwana wakhe.

28UYowabhi wavuthela isigodlo; bema bonke abantu, ababa sawasukela amaSirayeli, ababa saphinda balwe.

29UAbhinere namadoda akhe bahamba eArabha bonke obo busuku. Bayiwela iYordan, bayihamba yonke iBhitron, beza eMahanayim.

30Wabuya ke uYowabhi ekumsukeleni uAbhinere; wabahlanganisa abantu bonke, kwasweleka kubakhonzi bakaDavide ishumi elinesithoba lamadoda, noAsaheli.

31Ke abakhonzi bakaDavide babebulele, kumaBhenjamin nakumadoda akwa-Abhinere, amakhulu amathathu anamanci amathandathu amadoda, afa.

32Bamthabatha uAsaheli, bamngcwaba engcwabeni likayise eliseBhetelehem. Bahamba ke ubusuku bonke uYowabhi namadoda akhe, kwasa beseHebron.

© 1975 Bible Society of South Africa.

USamuweli II 3

Intsapho kaDavide

1Ke kaloku yoluka imfazwe phakathi kwendlu kaSawule nendlu kaDavide. UDavide
waya esomelela ngokomelela; indlu kaSawule yaya incipha ngokuncipha.

2UDavide wazalelwa oonyana eHebron: owamazibulo waba nguAmnon
ngoAhinowam waseYizerei;

3owesibini waba nguKiliyabhi ngoAbhigali, umkaNabhali waseKarmele; owesithathu
waba nguAbhisalom, unyana kaMahaka, intombi kaTalemayi, ukumkani
waseGeshuri;

4owesiné waba nguAdoniya, unyana kaHagiti; owesihlanu waba nguShefatiya,
unyana ka-Abhitali;

5owesithandathu waba nguItram, ngoEgla, umkaDavide. Wabazalelwa abo uDavide
eHebron.

UAbhinere uhambela uDavide

6Kwathi, kwakubon' ukuba kukho imfazwe phakathi kwendlu kaSawule nendlu
kaDavide, uAbhinere wamana ukuzomelezela indlu kaSawule.

7Ke uSawule ebeneshweshwe eligama linguRitspa, intombi ka-Aya; wathi
ke uIshbhoshete kuAbhinere, Yini na ukuba ulingene ishweshwe likabawo?

8Wavutha kakhulu ngumsindo uAbhinere ngamazwi kaIshbhoshete, wathi,
Ndiyintloko yenja elunge kwaYuda yini na? Namhla ndiyenzela inceba indlu kaSawule
uyihlo, kubazalwana bakhe, nakubahlobo bakhe; andikuyekelanga esandleni
sikaDavide; kanti ke undivelele ngobugwenxa endibenzé kule nkazana namhla.

9UThixo makenjenje kuAbhinere, aqokele ukwenjenje; njengoko uYehova
wamfungelayo uDavide, ndiya kwenjenjalo kuye:

10ukubugqithisa ubukumkani endlwini kaSawule, kumiswe itrone kaDavide
kwaSirayeli nakwaYuda, kuthabathele kwaDan kuse eBher-shebha.

11Akaba saba nako ukumphendula nezwi uAbhinere ngokumoyika.

12Wesusa esikhundleni sakhe uAbhinere abathunywa, baya kuDavide; esithi,
Lelikabani na ilizwe? esithi, Yenza umnqophiso wakho nam; uyabona, isandla sam
sinawe, ukuba aguqulelwe kuwe amaSirayeli onke.

13Wathi, Kulungile, ndowenza nawe umnqophiso. Kodwa kukho nto-nye ndiyifunayo
kuwe; yile: akuyi kububona ubuso bam, ungamzisanga uMikali intombi kaSawule,
wakuza kububona ubuso bam.

14UDavide wesusa abathunywa, baya kuIshbhoshete unyana kaSawule, esithi,
Ndínike umkam uMikali, endamgana ngekhulu leenyama zokwalùswa zamaFilisti.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Wathumela uIshbhoshete, wamthabatha kwindoda yakhe, kuPaltiyeli unyana kaLayishe.

16Yahamba naye ke indoda yakhe, imana ilila emva kwakhe, kwada kwezisa eBhahurim. Wathi uAbhinere kuyo, Hamba ubuye. Yabuya.

17Ke kaloku uAbhinere wayenelizwi kumadoda amakhulu akwaSirayeli, elithi, Kwangaphambili nibe nimfuna uDavide, ukuba abe ngukumkani kuni:

18yenzani kaloku, ngokuba uYehova utshilo kuDavide, ukuthi, Ndiya kubasindisa ngesandla sikaDavide, umkhonzi wam, abantu bam amaSirayeli esandleni samaFilisti, nasesandleni seentshaba zabo zonke.

19Kananjalo uAbhinere ebethethile ezindlebeni zamaBhenjamin; kanjalo uAbhinere waya kuthetha ezindlebeni zikaDavide eHebron konke okulungileyo phambi kwamaSirayeli, naphambi kwendlu yonke yakwaBhenjamin.

20Waya ke uAbhinere kuDavide eHebron, enamashumi amabini amadoda. UDavide wamenzela ke isidlo uAbhinere namadoda akhe abenawo.

21Wathi uAbhinere kuDavide, Ndiya kusuka ndiwahlanganisele enkosini yam ukumkani onke amaSirayeli, enze umnqophiso nawe, ube ngukumkani entweni yonke oyinqwenelayo umphefumlo wakho. UDavide wamndulula uAbhinere; wahamba exolile.

UAbhinere ubulawa ngobuqhokolo nguYowabhi

22Kwabonakala abakhonzi bakaDavide benoYowabhi, bevela emsebenzini wokututa, besiza namaxhoba amaninzi. Ke uAbhinere ebengasekhona kuDavide eHebron, ngokuba ubemndulule, wahamba exolile.

23Bafika ooYowabhi nomkhosi wonke anawo. Kwaxelwa kuYowabhi, kwathiwa, UAbhinere unyana kaNere ubezile kukumkani, wamndulula, wahamba exolile.

24Waya uYowabhi kukumkani, wathi, Yintoni na le uyenzileyo? Ùyabona, ubezile uAbhinere kuwe; yintoni na le nto umndululeyo, wahamba wemka?

25Uyamazi uAbhinere unyana kaNere, ukuba ubeze kukuthomalalisa, ukuze akwazi ukuphuma kwakho nokungena kwakho, akwazi konke okwenzayo.

26Waphuma uYowabhi kuDavide, wathuma abathunywa; balandela uAbhinere, bambuyisa equleni laseSira, uDavide engazi.

27Wabuya ke uAbhinere weza eHebron. UYowabhi wamthabathela bucala phakathi kwesango, ukuba athethe naye ngasese. Wamgwaza esiswini, wafa, ngenxa yegazi lika-Asaheli umninawa wakhe.

28Weva uDavide emveni kokuba kunjalo, wathi, Ndimsulwa nobukumkani bam phambi koYehova, kude kuse ephakadeni, ngamagazi ka-Abhinere unyana kaNere;

© 1975 Bible Society of South Africa.

29makabe phezu kwentloko kaYowabhi, naphezu kwendlu yonke kayise;
makanganqunyulwa angabikho endlwini kaYowabhi umntu obhobhozayo,
oneqhenqa, osimelela ngentonga, owa ngekrele, oswele ukudla.

30UYowabhi noAbhishayi umninawa wakhe bambulala ke uAbhinere, ngenxa
enokuba ebembulele uAsaheli umninawa wabo eGibheyon emfazweni.

31Wathi uDavide kuYowabhi nakubantu bonke anabo, Krazulani iingubo zenu,
nibhinqe ezirhwexayo, nimmbambazelele uAbhinere. UDavide ukumkani walilandela
ithala.

32Bamngcwabela eHebron uAbhinere. Waliphakamisa ukumkani ilizwi lakhe, walila
engcwabeni lika-Abhinere. Balila abantu bonke.

33Ukumkani wamenzela isimbonono uAbhinere, wathi, Angafa ngokufa kwesidenge
na uAbhinere?

34Izandla zakho bezingakhonkxwanga, iinyawo zakho bezingafakwanga
amakhamandela obhedu, Uwé njengowa phambi kwamabhedengu.

35Baphinda bonke abantu bamlilela. Bonke abantu beza kumdlisa uDavide isonka,
kusesemini. Wafunga uDavide, esithi. UThixo makenjenje kum, aqokele ukwenjenje,
ukuba ndithe, lingekatshoni ilanga, ndeva isonka, nokuba yinto eyiyimbi.

36Bakugqala oko bonke abantu, kwalunga emehlweni abo; njengokuba konke
abekwenza ukumkani bekulunga emehlweni abantu bonke.

37Bazi ke abantu bonke namaSirayeli onke ngaloo mini, ukuba ukubulawa kuka-
Abhinere, unyana kaNere, bekungaphume kukumkani.

38Wathi ukumkani kubakhonzi bakhe, Anazi na, ukuba namhlanje kuwé umthetheli,
umntu omkhulu kwaSirayeli?

39Ke ndisebuthathaka, ndisathanjiswa namhla ukuba ndibe ngukumkani; la madoda,
oonyana bakaTseruya, alukhuni kum. Akwaba uYehova angambuyekeza umenzi
wobubi kwangobubi bakhe.

USamuweli II 4

Ukugetyengwa kukalshbhoshete

1Weva unyana kaSawule ukuba ufile uAbhinere eHebron, zawa izandla zakhe. Onke
amaSirayeli akhwankqiswa yiloo nto.

2Unyana kaSawule ubenamadoda amabini angabathetheli bemikhosi. Igama lenye
lalinguBhahana, igama leyesibini lalinguRekabhi; bengoonyana bakaRimon
waseBheroti, kubo oonyana bakaBhenjamin. Ngokuba neBheroti ibibalelwa
kwaBhenjamin:

3abaseBheroti babebalekele eGitayim, baba ngabaphambukeli khona unanamhla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ke kaloku uYonatan unyana kaSawule ubenonyana ofe iinyawo; ebeminyaka mihlanu ezelwe, ukufika kodaba lukaSawule noYonatan eYizereli. Umondlikazi wakhe wesuka wamthabatha, wabaleka; kwathi, ekubalekeni kwakhe buphuthuphuthu, wawa, waba sisiqhwala. Igama lakhe belinguMefibhoshete.

5Bahamba oonyana bakaRimon waseBheroti, ooRekabhi noBhahana, ekufudumaleni kwemini, bafika endlwini kaIshbhoshete, elele emini enkulu.

6Bona bangena endlwini phakathi, ngokungathi baza kuthabatha ingqolowa, basuka bamtsho esiswini; basaba uRekabhi noBhahana umzalwana wakhe.

7Bangena ke endlwini, elele esingqengqelweni sakhe egumbini lakhe lokulala; bamhlaba, bambulala, bamnqumla intloko, bayithabatha intloko yakhe, bahamba ngendlela yeArabha bonke ubusuku.

8Bayisa intloko kaIshbhoshete kuDavide eHebron, bathi kukumkani, Nantsi intloko kaIshbhoshete unyana kaSawule, utshaba lwakho, elube lufuna umphefumlo wakho; uYehova uyiphindezelele inkosi yam namhla kuSawule, nakwimbewu yakhe.

9UDavide wabaphendula ooRekabhi noBhahana umzalwana wakhe, oonyana bakaRimon waseBheroti, wathi kubo, Ehleli nje uYehova, owukhululeyo umphefumlo wam ekubandezelekeni konke, ndathi, owandixelelayo ukuthi,

10Nanku uSawule efile, eba uzisa iindaba ezilungileyo, ndambamba, ndambulala eTsikelage, ukumnika umvuzo weendaba zakhe.

11Asikokukhona na ndiya kulibiza igazi layo esandleni senu, ndinitshayele elizweni, xa amadoda angendawo abulele indoda elilungisa endlwini yayo, esililini sayo?

12UDavide wawawisela amadodana akwakhe umthetho. Ababulala, abanqumla izandla neenyawo, azixhoma echibini eHebron; ke intloko kaIshbhoshete ayithabatha, ayingcwaba engcwabeni lika-Abhinere eHebron.

USamuweli II 5

UDavide ungukumkani womdibaniso wamaSirayeli namaYuda

1Zeza zonke izizwe zakwaSirayeli kuDavide eHebron, zatsho ukuthi, Uyabona, silithambo lakho nenyama yakho.

2Kwangaphambili, oko uSawule ebengukumkani kuthi, ibinguwe obesakuphuma ungena namaSirayeli. UYehova wathi kuwe, Wena uya kubalúsa abantu bam amaSirayeli, wena uya kuba yingánga yamaSirayeli.

3Aya ke onke amadoda amakhulu akwaSirayeli kukumkani eHebron. Wenza umnqophiso nawo ukumkani uDavide eHebron phambi koYehova; amthambisa uDavide ukuba abe ngukumkani wamaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4UDavide ubeminyaka imashumi mathathu ezelwe, ukwenziwa kwakhe ukumkani;
waba neminyaka emashumi mané engukumkani.

5Waba ngukumkani wakwaYuda eHebron iminyaka esixhenxe neenyanga
ezintandathu; eYerusalem waba ngukumkani iminyaka emashumi mathathu
anamithathu kumaSirayeli onke namaYuda.

UDavide uthimba iYerusalem

6Ukumkani waya namadoda akwakhe eYerusalem kumaYebhusi. Abemi belo zwe
bathi kuDavide, Akusayi kungena apha; kuba iimfama neziqhwala zokugxotha.
Batsho beba uDavide akasayi kungena apho.

7UDavide wayithimba imboniselo yeZiyon: ngumzi kaDavide ke lowo.

8Wathi uDavide ngaloo mini, Bonke abaxabela amaYebhusi, mabaziwise
engxangxasini iziqhwala kwaneemfama ezithiyekileyo emphefumlweni kaDavide.
Ngenxa yoko bathi, Iimfama neziqhwala aziyi kungena endlwini.

9UDavide wahlala emboniselweni, wayibiza ngokuthi ngumzi kaDavide. UDavide
wákha ngeenxa zonke, wathabathela eMilo wesa phakathi.

10Waya uDavide eba mkhulu ngokuba mkhulu, uYehova uThixo wemikhosi waba
naye.

11Ke kaloku uHiram, ukumkani waseTire, wathumela abathunywa kuDavide,
nemisedare, neengcibi zemithi, neengcibi zamatye eendonga; zamakhela uDavide
indlu.

12Wazi uDavide ukuba uYehova umqinisile wangukumkani; ukuba ubuphakamisile
ubukumkani bakhe ngenxa yabantu bakhe amaSirayeli.

13UDavide wabuya wazeka abafazi namashweshwe eYerusalem, emveni kokusuka
kwakhe eHebron; wabuya wazalelwa oonyana neentombi uDavide.

14Ngawo la amagama abo wabazalelwáyo eYerusalem: nguShamuwa, noShobhabhi,
noNatan, noSolomon,

15noIbhehare, noElishuwa, noNefege, noYafiya,

16noElishama, noEliyada, noElifelete.

UDavide woyisa amaFilisti

17Ke kaloku eva amaFilisti ukuba bamthambisile uDavide, waba ngukumkani
kumaSirayeli; enyuka ke onke amaFilisti aya kumfuna uDavide. Weva uDavide, wehla
waya emboniselweni.

18AmaFilisti abezile, athi dwe entilini yamaRafa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Wabuza uDavide kuYehova, wathi, Ndinyùke na, ndiye kumaFilisti? Wòwanikela na esandleni sam? Wathi uYehova kuDavide, Nyuka; ngokuba ndiwanikele mpela amaFilisti esandleni sakho.

20UDavide weza eBhahali-peratsim; uDavide wawaxabela khona, wathi, UYehova uzityhobozele iintshaba zam phambi kwam, njengokutyhoboza kwamanzi; ngenxa yoko wathi igama laloo ndawo yiBhahali-peratsim.

21Azishiya izithixo zawo; bazithabatha uDavide namadoda akhe.

22Abuya aphinda enyuka amaFilisti, athi dwe entilini yamaRafa.

23Wabuza uDavide kuYehova, wathi yena, Uze ungenyuki; jikela emva kwawo, ufike kuwo malunga nemithi yemibhaka.

24Kothi, ekuveni kwakho isandi sokuhamba emantloko emithi yemibhaka, wandule ungxamise; ngokuba wóba uphumile phambi kwakho uYehova ngela xesha, ukuba ayixabele impi yamaFilisti.

25Wenjenjalo uDavide, njengoko uYehova abemwisele umthetho ngako; wawaxabela amaFilisti, wathabathela eGebha wada waya eGezere.

USamuweli II 6

UDavide uzisa ityeya yomnqophiso eYerusalem

1Ke kaloku wabuya wabahlanganisa uDavide bonke abahleliweyo bakwaSirayeli: amashumi amathathu amawaka.

2Wesuka ke, wahamba uDavide nabantu bonke abenabo, esiya eBhahali yakwaYuda, esiya kunyusa khona ityeya kaThixo, ebizwa ngalo igama, igama likaYehova wemikhosi ohleli phezu kweekerubhi.

3Bayikhwelisa enqwelweni entsha ityeya kaThixo, bayithabatha endlwini ka-Abhinadabhi ebisendulini; u-Uza nonoAhiyo, oonyana baka-Abhinadabhi, beyiqhuba inqwelo entsha leyo.

4Bayithabatha endlwini ka-Abhinadabhi esendulini, inetyeya kaThixo, uAhiyo ehamba phambi kwetyeya.

5UDavide nendlu yonke kaSirayeli baqamba phambi koYehova, bebetha imithi yonke yesipres, neehadi, nemirhubhe, neengqongqo, namakhenkcekhenkce, namacangci.

6Bafika esandéni sikaNakon; wesa isandla sakhe u-Uza etyeyeni kaThixo, wayibamba; ngokuba iinkomo zibe ziyigungqisa.

7Wavutha umsindo kaYehova ku-Uza; uThixo wambetha khona, ngenxa yemasi elo, wafela khona ngasetyeyeni kaThixo.

8UDavide wavutha ngumsindo ngenxa enokuba uYehova wamtyhobozela ngotyhobozo u-Uza, wathi loo ndawo yiPerets-uza unanamhla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9UDavide wamoyika uYehova ngaloo mini, wathi, Yothini na ukuza kum ityeya
kaYehova?

10Akavuma ke uDavide ukuyisusa ize kuye emzini kaDavide ityeya kaYehova; uDavide
wayisonga, wayiphambukisela endlwini kaObhedi-edom waseGati.

11Yahlala ityeya kaYehova endlwini kaObhedi-edom waseGati iinyanga zantathu;
uYehova wamsikelela uObhedi-edom, nendlu yakhe yonke.

12Kwaxelwa kukumkani uDavide, kwathiwa, Úyisikelele uYehova indlu kaObhedi-
edom. nezinto zonke anazo, ngenxa yetyeya kaThixo. Waya uDavide, wayinyusa
ityeya kaThixo endlwini kaObhedi-edom, wayizisa emzini kaDavide evuya.

13Kwathi, bakunyathela amabanga amathandathu abathwali betyeya kaYehova,
wabingelela inkomo nethole elityetyisiweyo.

14Waye uDavide esina ngamandla onke phambi koYehova, uDavide ebhinqe iefodi
yelinen emhlophe.

15OoDavide nendlu yonke kaSirayeli babeyinyusa ke ityeya kaYehova, beduma,
behlokomisa isigodlo.

16Kwathi, yakufika ityeya kaYehova emzini kaDavide, uMikali, intombi kaSawule,
wavela ngefestile, wambona ukumkani uDavide exhuma esina phambi koYehova,
wamcekisa entliziyweni yakhe.

17Bayingenisa ityeya kaYehova, bayimisa endaweni yayo phakathi kwentente,
abeyitwabululele yona uDavide; uDavide wenyusa amadini anyukayo phambi
koYehova, nemibingelelo yoxolo.

18Wagqiba uDavide ukunyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo, wabasikelela
abantu, egameni likaYehova wemikhosi, wababèla bonke abantu,

19yonke ingxokolo yamaSirayeli, kwathabathela kwindoda kwesa nakumfazi; elowo
wamnika umqhathane wesonka, nomlinganiso wewayini, nesicumba seerasintyisi.
Baya ke bonke abantu elowo endlwini yakhe.

20Wabuya uDavide, eza kusikelela indlu yakhe. Waphuma uMikali intombi kaSawule,
eya kukhawulela uDavide, wathi, Hayi, ukuzizukisa kokumkani wamaSirayeli namhla,
ozihlubileyo namhla phambi kwabakhonzazana babakhonzi bakhe, njengoko
azihlubayo umntu ongenabuntu.

21Wathi uDavide kuMikali, Kube kusebusweni bukaYehova, owandinyulayo phambi
koyihlo, naphambi kwendlu yakhe yonke, ukuba andimise ndibe yingànga yabantu
bakaYehova, amaSirayeli; bekusebusweni bukaYehova ukuqamba kwam;

22ndisaya kudeleka kunoko, ndithobeke emehlweni am; ke abakhonzazana othethe
ngabo, ndisaya kuzukiswa ngabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Ke uMikali intombi kaSawule akabanga namntwana kwada kwangumhla wokufa kwakhe.

USamuweli II 7

Icebo likaDavide lokwakha itempile liyaliwa

1Kwathi, xa ukumkani ahleliyo endlwini yakhe, uYehova emphumzile ngeenxa zonke ezintshabeni zakhe zonke,

2wathi ukumkani kuNatan umprofeti, Khawukhangele, ndihleli endlwini yemisedare, ke yona ityeya kaThixo ihleli phakathi kwamalengalenga.

3Wathi uNatan kukumkani, Konke okusentliziyweni yakho, hamba uye ukwenze; ngokuba uYehova unawe.

4Kwathi ngobo busuku, lafika ilizwi likaYehova kuNatan, lisithi,

5Hamba uye kuthi kumkhonzi wam uDavide, Útsho uYehova ukuthi, Wena uya kundakhela indlu yokuba ndihlale na?

6Ngokuba andihlalanga ndlwini, kususela kwimini endabanyusayo oonyana bakaSirayeli eYiputa, kude kube nanamhla; ndaba ngohambahamba ngentente engumnquba.

7Lonke ixesha endahambahamba ngalo phakathi koonyana bonke bakaSirayeli, ndakha ndalithetha na ilizwi nakusinye isizwe sakwaSirayeli endasiwisela umthetho wokuba sibalúse abantu bam amaSirayeli, ndisithi, Yini na ukuba ningandakheli indlu yemisedare?

8Ke ngoko wòtsho ukuthi kumkhonzi wam uDavide, Útsho uYehova wemikhosi ukuthi, Ndákuthabatha mna edlelweni, ekulandeleni impahla emfutshane, ukuba ube yingànga yabantu bam amaSirayeli;

9ndaba nawe kuko konke owahamba kuko, ndazinqumla zonke iintshaba zakho phambi kwakho, ndakwenzela igama elikhulu, njengegama labakhulu abasehlabathini;

10ndabamisela indawo abantu bam amaSirayeli, ndabatyala ukuba bahlale esikhundleni sabo, bangabi sagunqa; oonyana bobutshijolo bangabuyi babacinezele njengasekuqaleni, kususela kulaa mini ndabamisela abantu bam amaSirayeli abagwebi.

11Ndiya kukuphumza ezintshabeni zakho zonke.

Intsikelelo kaYehova kwinzala kaDavide

UYehova uyakuxelela ukuba uYehova uya kukwenzela indlu.

12Xa ithe yazaliseka imihla yakho, walala kooyihlo, ndoyiphakamisa emva kwakho imbewu yakho, eya kuphuma ezibilini zakho, ndibuqinise ubukumkani bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Nguye oya kulakhela igama lam indlu, ndiyiqinise itrone yobukumkani bakhe, kude
kuse ephakadeni.

14Mna ndiya kuba nguyise wakhe, yena abe ngunyana wam; endothi ebugwenxeni
bakhe, ndimohlwaye ngentonga yabantu, nangobetho loonyana baka-Adam.

15Ke yona inceba yam ayiyi kusuka kuye, njengoko ndayisusayo kuSawule,
endimsusileyo ebusweni bakho.

16Iya kuqina indlu yakho nobukumkani bakho kude kuse ephakadeni phambi kwakho;
itrone yakho iya kuqiniseka kude kuse ephakadeni.

17Njengaloo mazwi onke, njengaloo mbono wonke, wenjenjalo ukuthetha uNatan
kuDavide.

Umthandazo nombulelo kaDavide

18Waya ukumkani uDavide, wahlala phambi koYehova, wathi, Ndingubani na, Nkosi
yam Yehova? Iyintoni na indlu yam, ukuba ude undizise nalapha?

19Kusekuncinane oko ke emehlweni akho, Nkosi yam Yehova; uthetha ngoku
nangendlu yomkhonzi wakho, usingise mgama. Le nto ke lisiko lomntu na, Nkosi yam
Yehova?

20Angabuya abe esathetha ntoni na ke uDavide kuwe? Wena uyamazi umkhonzi
wakho, Nkosi yam Yehova.

21Ngenxa yelizwi lakho, nangokwentliziyo yakho, ùbenzile bonke obo bukhulu, ukuba
ubazíse umkhonzi wakho.

22Ngenxa yoko ùmkhulu, Yehova Thixo; ngokuba akukho unjengawe; akukho Thixo
ngaphaya kwakho, njengoko konke sikuvileyo ngeendlebe zethu.

23Luluphi na uhlanga ehlabathini apha, olunjengabantu bakho, olunjengamaSirayeli,
awaya kuzikhululela uThixo, ukuba lube ngabantu, ukuba azimisele igama ngalo,
anenzele izenzo ezikhulu nina, alenzele izenzo ezoyikekayo ilizwe lakho ebusweni
babantu bakho, owazikhululelayo bona eYiputa, ezintlangeni nakoothixo bazo?

24Ùziqinisele abantu bakho amaSirayeli, ukuba babe ngabantu kuwe kude kuse
ephakadeni; wena, Yehova, waba nguThixo kubo.

25Kaloku, Yehova Thixo, ilizwi olithethileyo ngomkhonzi wakho, nangendlu yakhe,
límise kude kuse ephakadeni, wenze njengoko ukuthethileyo;

26likhule igama lakho kude kuse ephakadeni; kusithiwa, UYehova wemikhosi
nguThixo wamaSirayeli, nendlu yomkhonzi wakho uDavide izinzile phambi kwakho.

27Ngokuba wena, Yehova wemikhosi, Thixo kaSirayeli, utyhilile ezindlebeni
zomkhonzi wakho, wathi, Ndiya kukwakhela indlu; ngenxa yoko umkhonzi wakho
uyifumene intliziyo yokuze awuthandaze kuwe lo mthandazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Kaloku, Nkosi yam Yehova, unguye uThixo; namazwi akho aya kuba yinyaniso. Uthethé oko kulungileyo kumkhonzi wakho;

29kaloku makukholeke kuwe ukuyisikelela indlu yomkhonzi wakho, ukuba ihlale ihleli phambi kwakho ngonaphakade; ngokuba wena, Nkosi yam Yehova, uthethile. Ngentsikelelo yakho mayisikelelwe indlu yomkhonzi wakho ngonaphakade.

USamuweli II 8

Uloyiso lukaDavide; amagosa akhe

1Kwathi emveni kokuba njalo, uDavide wawaxabela amaFilisti, waweyisa; uDavide wabuthabatha ubukhosi esandleni samaFilisti.

2Wawaxabela amaMowabhi, wawalinganisa ngolutya, ewalalisa emhlabeni; walinganisa izintya zambini zokubulala, nolutya lwalunye oluzalisekileyo lokusindisa. Ke amaMowabhi aba ngabakhonzi kuDavide, azisa iminikelo.

3UDavide wamxabela uHadadezere, unyana kaRehobhi, ukumkani weTsobha, ekuyeni kuwabuyisa amandla akhe emlanjeni ongumEfrati.

4UDavide wathimba iwaka leenqwelo zokulwa, namakhulu asixhenxe abamahashe, namashumi amabini amawaka angumqikela; uDavide wawanqumla imisipha onke amahashe eenqwelo zokulwa, washiya kuwo aweenqwelo alikhulu.

5Ama-Aram aseDamasko eza kumnceda uHadadezere ukumkani weTsobha. UDavide wabulala kuma-Aram amashumi amabini anamabini amawaka amadoda.

6UDavide wamisa ikampu kwa-Aram eDamasko; ama-Aram aba ngabakhonzi bakaDavide, azisa iminikelo. UYehova wamsindisa uDavide ezindaweni zonke awahamba kuzo.

7Wawathabatha uDavide amakhaka egolide abekubakhonzi bakaHadadezere, wawazisa eYerusalem.

8NaseBheta naseBherotayi, imizi kaHadadezere, uDavide ukumkani wathabatha ubhedu oluninzi kunene.

9Weva uToyi ukumkani waseHamati, ukuba uDavide uyixabele yonke impi kaHadadezere.

10UToyi wamthuma uYoram, unyana wakhe, kukumkani uDavide, ukuba ambuze ukuphila kwakhe, amsikelele ngenxa yokuba ebelwile noHadadezere wamxabela; ngokuba uToyi ubengumfo obesilwa noHadadezere; waye uYoram lowo eneempahla zesilivere, neempahla zegolide, neempahla zobhedu esandleni sakhe.

11Ukumkani uDavide wazingcwalisela kuYehova kananjalo ezo, kunye nesilivere negolide abeyingcwalisile, eyavela ezintlangeni zonke awazeyisayo:

© 1975 Bible Society of South Africa.

12kuma-Aram, nakumaMowabhi, nakoonyana baka-Amon, nakumaFilisti, nakuma-Amaleki, nakumaxhoba kaHadadezere unyana kaRehobhi, ukumkani weTsobha.

13Wazenzela igama uDavide ekubuyeni kwakhe ekuwaxabeleni ama-Aram eSihlanjeni seTyuwa, ebulele ishumi elinesibhozo lamawaka.

14Wamisa ikampu kwelamaEdom; wamisa ikampu kwelamaEdom lonke, aba ngabakhonzi kuDavide onke amaEdom. UYehova wamsindisa uDavide ezindaweni zonke awahamba kuzo.

15Waye engukumkani ke uDavide kumaSirayeli onke. Waye uDavide esenza okusesikweni nobulungisa ebantwini bakhe bonke.

16Ke uYowabhi, unyana kaTseruya, wayephethe umkhosi; noYehoshafati, unyana ka-Ahiludi, wayengumkhumbuzi wezinto zakomkhulu.

17UTsadoki unyana ka-Ahitubhi, noAhimeleki unyana ka-Abhiyatare, baye bengababingeleli; uSeraya waye engumbhali;

18uBhenaya, unyana kaYehoyada, ubephethe abancinithi nezigidimi. Oonyana bakaDavide babengababingeleli.

USamuweli II 9

UDavide ubonakalisa inceba kuMefibhoshete

1Wathi uDavide, Kusekho mpunde na kwindlu kaSawule, ukuze ndiyenzele inceba ngenxa kaYonatan?

2Ke indlu kaSawule ibinomkhonzi ogama linguTsibha; bambizela kuDavide. Wathi ukumkani kuye, UnguTsibha na? Wathi yena, Ndingumkhonzi wakho.

3Wathi ukumkani, Akusekho namnye na umntu wendlu kaSawule, ndímenzele inceba kaThixo? Wathi ke uTsibha kukumkani, Kusekho unyana kaYonatan, ofe iinyawo.

4Wathi ukumkani kuye, Uphi na? Wathi uTsibha kukumkani, Nankuya endlwini kaMakire unyana ka-Amiyeli, eLodebhare.

5Wathumela ke ukumkani uDavide, wamthabatha endlwini kaMakire unyana ka-Amiyeli, eLodebhare.

6Weza uMefibhoshete, unyana kaYonatan, unyana kaSawule, kuDavide, wawa ngobuso, waqubuda. Wathi uDavide, Mefibhoshete. Wathi ke yena, Nanku lo mkhonzi wakho.

7Wathi uDavide kuye, Musa ukoyika; ngokuba ndiya kukwenzela inceba ngenene, ngenxa kaYonatan uyihlo, ndikubuyisele onke amasimi kaSawule uyihlo; wena udle isonka etafileni yam ngamaxesha onke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Waqubuda, wathi, Umkhonzi wakho uyintoni na, ukuba uyibheke inja efileyo, enjengam nje?

9Ukumkani wabiza uTsibha, umfana wakwaSawule, wathi kuye, Yonke into ebiyekaSawule, neyendlu yakhe yonke, ndiyiniké unyana wenkosi yakho.

10Ùze umlimele umhlaba, wena noonyana bakho, nabakhonzi bakho, umzisele abe nokudla unyana wenkosi yakho, adle; ke uMefibhoshete, unyana wenkosi yakho, uya kudla ngamaxesha onke etafileni yam. Ke kaloku uTsibha wayenoonyana abalishumi elinantlanu, nabakhonzi abamashumi mabini.

11Wathi uTsibha kukumkani, Ngokwento yonke emwisele umthetho ngayo umkhonzi wayo inkosi yam ukumkani, úyakwenjenjalo umkhonzi wakho. UMefibhoshete wadla etafileni yakhe, njengabanye oonyana bokumkani.

12UMefibhoshete ebenonyana omncinane, ogama belinguMika. Bonke ababehleli endlwini kaTsibha babengabakhonzi bakaMefibhoshete.

13UMefibhoshete ubehlala eYerusalem; ngokuba ubesidla etafileni yokumkani ngamaxesha onke. Ubefe iinyawo zakhe zombini.

USamuweli II 10

Imfazwe nama-Amon nama-Aram

1Kwathi emveni kokuba njalo, wafa ukumkani woonyana baka-Amon; wangukumkani uHanun, unyana wakhe, esikhundleni sakhe.

2Wathi ke uDavide, Mandimenzele inceba uHanun, unyana kaNahashe, njengokuba noyise wandenzelayo inceba. Wathumela uDavide ngesandla sabakhonzi bakhe ukumkhuza ngaye uyise. Beza ke abakhonzi bakaDavide ezweni loonyana baka-Amon.

3Bathi abathetheli boonyana baka-Amon kuHanun inkosi yabo, Ucinga ukuba uDavide uzukisa uyihlo na emehlweni akho, ngokuba ethume abakhuzi kuwe? UDavide àkabathumele na abakhonzi bakhe kuwe ukuze awugocagoce umzi, awuhlole, awubhukuqe?

4Wabathabatha ke uHanun abakhonzi bakaDavide, wabaguya elinye icala leendevu zabo, wazicanda phakathi iingubo zabo ezinde, wada waya kuma ngemisekela, wabandulula ke.

5Waxelelwa uDavide; wathuma izigidimi zokubakhawulela; ngokuba amadoda lawo abehlaziswe kunene. Wathi ukumkani, Hlalani eYeriko, zide zihlume iindevu zenu, nandule ukubuya.

6Babona oonyana baka-Amon ukuba bazinukisile kuDavide, bathumela ke oonyana baka-Amon, baqesha kuma-Aram aseBhete-rehobhi, nakuma-Aram aseTsobha,

© 1975 Bible Society of South Africa.

amashumi amabini amawaka angumqikela; nakukumkani waseMahaka iwaka lamadoda; nakumadoda aseTobhi ishumi elinamabini lamawaka amadoda.

7Weva uDavide; wathuma uYowabhi enomkhosi wonke wamagorha.

8Baphuma oonyana baka-Amon, bákha izintlu zokulwa ekungeneni kwesango; ama-Aram aseTsobha, nawaseRehobhi, namadoda aseTobhi, nawaseMahaka aba wodwa endle.

9Wabona uYowabhi ukuba imfazwe ibheke kuye, ngaphambili nangasemva, wanyula emadodeni onke ahleliweyo kwaSirayeli, wákha uluhlu malunga nama-Aram.

10Abanye abantu wabanikela esandleni sika-Abhishayi, umninawa wakhe, wabakha baluluhlu malunga noonyana baka-Amon.

11Wathi, Ukuba ama-Aram athe andeyisa, wondisiza; ukuba bathe oonyana baka-Amon bakoyisa, ndoza kukusiza.

12Yomelela, somelele ngenxa yabantu bakowethu, nangenxa yemizi yoThixo wethu; uYehova enze oko kulungileyo emehlweni akhe.

13Weza uYowabhi nabantu ababenaye, walwa nama-Aram; asaba ebusweni bakhe.

14Babona oonyana baka-Amon ukuba asabile ama-Aram, basaba nabo ebusweni buka-Abhishayi, bangena ekhaya. Wabuya ke uYowabhi koonyana baka-Amon, weza eYerusalem.

15Abona ama-Aram ukuba agxothiwe phambi kwamaSirayeli, ahlanganisana ndawonye.

16Wathumela uHadadezere, wawarhola ama-Aram abephesheya koMlambo, eza eHelam; uShobhaki, umthetheli womkhosi kaHadadezere, ephambi kwawo.

17Kwaxelwa kuDavide; wahlanganisa amaSirayeli onke, wayiwela iYordan, waya eHelam. Ákha izintlu ama-Aram malunga noDavide, alwa naye.

18Asaba ama-Aram ebusweni bamaSirayeli. UDavide wabulala kuma-Aram amakhulu asixhenxe abeenqwelo zokulwa, namashumi amané amawaka abamahashe. Waxabela noShobhaki, umthetheli womkhosi wawo, wafela khona.

19Bonke ookumkani abakhonza uHadadezere babona ukuba bagxothiwe phambi kwamaSirayeli, baxolelana namaSirayeli, bawakhonza. Oyika ke ama-Aram ukuba sabasiza oonyana baka-Amon.

USamuweli II 11

UDavide, uBhatshebha noUriya

1Kwathi ukuvela komnyaka, ngexesha lokuphuma kookumkani ukuya kulwa, uDavide wamthuma uYowabhi, nabakhonzi bakhe kunye naye, namaSirayeli onke,

© 1975 Bible Society of South Africa.

batshabalalisa oonyana baka-Amon, bayingqinga iRabha. UDavide wayehleli eYerusalem.

2Kwathi ngexesha langokuhlwa, wavuka uDavide esililini sakhe, wahambahamba phezu kophahla lwendlu yokumkani. Wathi, eseluphahleni, wabona umfazi ezihlamba; ke umfazi lowo wayemhle kunene ngembonakalo.

3Wathumela uDavide, wabuzisa ngaloo mfazi. Kwathiwa, Asinguye na uBhatshebha lowo, intombi kaEliham, umkaUriya umHeti?

4UDavide wathuma abathunywa, wamthabatha; weza ke yena kuye, walala naye. Akuba ezingcwalisile ebunqambini bakhe, wabuyela endlwini yakhe.

5Wamitha umfazi lowo; wathumela, waxelela uDavide, wathi, Ndimithi.

6UDavide wathumela kuYowabhi, esithi, Thumela kum apha u-Uriya umHeti. UYowabhi wamthumela u-Uriya kuDavide.

7Waya u-Uriya kuye. Wabuza uDavide ukuba unjani na uYowabhi, banjani na abantu, injani na imfazwe.

8UDavide wathi ku-Uriya, Yihla uye endlwini yakho, uhlambe iinyawo zakho. Waphuma u-Uriya endlwini yokumkani; kwaphuma emva kwakhe isipho sokumkani.

9U-Uriya walala emnyango wendlu yokumkani, nabakhonzi bonke benkosi yakhe; akehla aye endlwini yakhe.

10Kwaxelwa kuDavide, kwathiwa, u-Uriya akehlanga aye endlwini yakhe. Wathi uDavide ku-Uriya, Akuveli eluhambeni na? Yini na ukuba ungehli uye endlwini yakho?

11Wathi u-Uriya kuDavide, Ityeya namaSirayeli namaYuda ahleli eminqubeni, nenkosi yam uYowabhi nabakhonzi benkosi yam bahleli endle; mna ndíye endlwini yam, ndidle, ndisele, ndilale nomkam? Uhleli nje wena, uhleli nje umphefumlo wakho, andiyi kuyenza loo nto.

12Wathi uDavide ku-Uriya, Hlala apha nanamhla, ndokundulula ngomso. Wahlala ke u-Uriya eYerusalem ngaloo mhla nangengomso.

13UDavide wammema: wadla, wasela phambi kwakhe; wamnxilisa. Waphuma ngokuhlwa, waya kulala esililini sakhe nabakhonzi benkosi yakhe; akehla aye endlwini yakhe.

14Kwathi kusasa, uDavide wabhala incwadi kuYowabhi, wayithumela ngesandla sikaUriya.

15Wabhala ke encwadini, wathi, Mbekeni u-Uriya kweyona ndawo ishushu, angásisichenge kuyo emfazweni, nibuye umva, ukuze abinzwe afe.

16Kwathi, ekuwungqingeni kukaYowabhi umzi lowo, wambeka u-Uriya kwindawo abesazi ukuba akuyo amadoda angamakroti.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Aphuma amadoda aloo mzi, alwa noYowabhi; kwawa abantu kubakhonzi
bakaDavide; wafa noUriya umHeti.

18Wathumela uYowabhi kuDavide, wamxelela zonke iindaba zemfazwe.

19Wamwisela umthetho umthunywa, esithi, Xa ugqibileyo ukuzenza zonke iindaba
zemfazwe kukumkani,

20wòthi, ukuba buthe benyuka ubushushu bokumkani, wathi kuwe, Ibiyini na ukuba
nisondele kangaka kuloo mzi ngokulwa? beningazi na ukuba botola beseludongeni?

21wabethwa ngubani na uAbhimeleki unyana kaYerubheshete? akagityiselwanga na
yinkazana ngelitye lokusila eludongeni, wafela eTebhetse? ibiyini na ukuba nisondele
kangaka eludongeni? uthi wena, Nomkhonzi wakho u-Uriya umHeti ufile naye.

22Wahamba ke umthunywa, waya, wamxelela uDavide konke uYowabhi abemthume
khona.

23Wathi umthunywa kuDavide, Athi àkuseyisa thina amadoda, aphuma eza kuthi
phandle; saba phezu kwawo ke, sada sesa ekungeneni kwesango;

24batola abatoli kubakhonzi bakho beseludongeni, kwafa inxenye kubakhonzi
bokumkani; umkhonzi wakho u-Uriya umHeti ufile naye.

25Wathi uDavide kumthunywa lowo, Wòtsho kuYowabhi ukuthi, Mayingabi mbi
emehlweni akho le ndawo; ngokuba ikrele eli lidla kuló nakulowa. Kómeleze ukulwa
kwakho, nomzi lowo uwuchithe; uze umomeleze ke.

26Weva umkaUriya ukuba ufile u-Uriya indoda yakhe, wayimbambazelela indoda
yakhe.

27Lakudlula ixesha lezila lakhe, wathumela uDavide, wamthabathela endlwini yakhe,
waba ngumkakhe, wamzalela unyana. Ke loo nto wayenzáyo uDavide yaba mbi
emehlweni kaYehova.

USamuweli II 12

Umzekeliso kaNatan nokuzohlwaya kukaDavide

1UYehova wathumela uNatan kuDavide. Waya kuye, wathi kuye, Kwakukho amadoda
amabini mzini mnye: enye isisityebi, enye ilihlwempu.

2Esisityebi yayinempahla emfutshane neenkomo ezininzi kunene.

3Elihlwempu yayingenanto, kuphela yayinemvanazana encinane inye, ebiyizuzile,
yayigcina; yakhulela kuyo nabantwana bayo ndaweni-nye, yadla eqhekezeni layo,
yasela endebeni yayo, yalala esifubeni sayo, yanjengentombi yayo.

4Kwafika umhambi endodeni esisityebi eso, sanqena ukuthabatha empahleni yaso
emfutshane nasezinkomeni zaso, ukulungiselela umhambi lowo ufikileyo kuso;
sesuka sathabatha imvanazana yendoda elihlwempu, salungiselela umntu ofike kuso.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

5Wavutha kunene umsindo kaDavide kwindoda leyo, wathi kuNatan, Ehleli nje uYehova, ngumfo wokufa loo ndoda yenzé le nto.

6Iya kuyimisela ngesiné imvanazana leyo, ngenxa enokuba yenze loo nto, nangenxa yokuba ingabanga nalufefe.

7Waza wathi uNatan kuDavide, Loo ndoda nguwe. Utsho uYehova uThixo kaSirayeli ukuthi, Mna ndákuthambisa ukuba ube ngukumkani kumaSirayeli, mna ndákuhlangula esandleni sikaSawule,

8ndakunika indlu yenkosi yakho, nabafazi benkosi yakho esifubeni sakho, ndakunika indlu yakwaSirayeli neyakwaYuda; ke, ukuba bekukuncinane oko, ngendikongezile ndenjenje, ndenjenje.

9Yini na ukuba ulidele ilizwi likaYehova, wenze ububi emehlweni akhe, umbulale u-Uriya umHeti ngekrele, nomkakhe umzeke abe ngumkakho, umbulale ngekrele loonyana baka-Amon?

10Ke ngoko, ikrele aliyi kumka endlwini yakho naphakade; ngenxa enokuba undidelile, wamzeka umkaUriya umHeti, wangumkakho.

11Utsho uYehova ukuthi, Ndikuvelisela ububi obuya kuphuma endlwini yakho: ndibathabathe abafazi bakho emehlweni akho, ndibanike ummelwane wakho, alale nabafazi bakho phambi kwelanga eli.

12Ekubeni wena ukwenze oku ngasese, ke mna ndiya kuyenza le nto phambi kwamaSirayeli onke, naphambi kwelanga eli.

13Wathi uDavide kuNatan, Ndonile kuYehova. Wathi uNatan kuDavide, Naye uYehova usikhwelelisile isono sakho, akuyi kufa.

14Kodwa ke, ngenxa yokuba uziniké ithuba lokunyelisa iintshaba zika Yehova ngale nto, ke unyana omzalelweyo ngulo mfazi uya kufa ngenene.

15Waya uNatan endlwini yakhe. UYehova wamhlisela isifo umntwana abemzalelwe uDavide ngumkaUriya; wagula kakhulu.

16UDavide wambongoza uThixo ngenxa yenkwenkwe leyo; uDavide wazila ukudla, waqungquluza emhlabeni bonke ubusuku.

17Asuka ema amadoda amakhulu endlu yakhe, emvusa emhlabeni; akavuma, akadla sonka nawo.

18Kwathi ngomhla wesixhenxe, wafa umntwana. Boyika abakhonzi bakaDavide ukumxelela ukuba umntwana ufile; ngokuba babesithi, Yabonani, oko umntwana ebesahleli, sathetha naye, àkaliphulaphula ilizwi lethu; sòthini na ukuthi kuye, Ufile umntwana, aze enze into embi?

19Wabona uDavide ukuba abakhonzi bakhe bayasebezelana, waqonda uDavide ukuba ufile umntwana; wathi uDavide kubakhonzi bakhe, Ufile na umntwana?

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Bathi, Ufile. Wesuka uDavide emhlabeni, wazihlamba, wazithambisa, wanxiba ngubo zimbi, waya endlwini kaYehova, waqubuda; weza endlwini yakhe, wabiza ukudla; babeka phambi kwakhe, wadla.

21Bathi abakhonzi bakhe kuye, Yintoni na le nto uyenzileyo? Oko ebesahleli umntwana, wazila ukudla, walila; akuba efile umntwana, uvukile wadla ukudla.

22Wathi yena, Xa ebesahleli umntwana, ndazila ukudla, ndalila; ngokuba bendisithi, Ngubani na owaziyo? Mhlawumbi uYehova angandibabala, aphile umntwana.

23Efile nje kaloku, yini na ukuba ndibe ndisazila ukudla? Ndisenako yini na ukumbuyisa? Ndiya kuya kuye mna, yena akayi kubuyela kum.

24UDavide wamthuthuzela uBhatshebha umkakhe; wangena kuye, walala naye; wazala unyana, wathi igama lakhe nguSolomon.

25Ke uYehova wamthanda; wathumela ngesandla sikaNatan umprofeti, wathi, Igama lakhe nguYedidiya, ngenxa kaYehova.

Ukuthinjwa kweRabha

26Ke kaloku uYowabhi walwa neRabha yoonyana baka-Amon, wawuthimba umzi wakomkhulu lowo.

27UYowabhi wathuma abathunywa kuDavide, esithi, Ndilwile neRabha, kananjalo ndiwuthimbile umzi wamanzi.

28Hlanganisa ngoko abantu abaseleyo, uwurhawule umzi, uwuthimbe; hleze mna ndiwuthimbe lo mzi, ubizwe ngam.

29Wabahlanganisa uDavide bonke abantu, waya eRabha, walwa nayo, wayithimba.

30Wasithabatha isithsaba sokumkani wabo entlokweni yakhe; ubunzima baso bebuyitalente yegolide, sinamatye anqabileyo; saba sentlokweni kaDavide. Waphuma namaxhoba aloo mzi, aba maninzi kunene.

31Ke abantu ababekhona wabarhola, wabathumela ezisarheni, nasezisizilweni zesinyithi, nasezierheni zesinyithi, wabasebenzisa emazikweni ezitena. Wenjenjalo kwimizi yonke yoonyana baka-Amon. Wabuyela eYerusalem uDavide nabantu bonke.

USamuweli II 13

UAmnon, uTamare noAbhisalom

1Kwathi emveni koko, uAbhisalom unyana kaDavide enodade wabo oyinzwakazi, ogama belinguTamare, wesuka uAmnon unyana kaDavide wamthanda.

2Wabandezeleka uAmnon, ngokokude azihlisele isifo ngenxa kaTamare, udade wabo; ngokuba ebeyintombi; kwanqaba emehlweni ka-Amnon ukuba amenze into.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ke kaloku uAmnon ebenomhlobo, ogama belinguYonadabhi, unyana kaShimeha umkhuluwa kaDavide. UYonadabhi ebeyindoda elumke kunene.

4Wathi kuye, Yini na ukuba ube nje ukubhitya imiso ngemiso, nyana wokumkani? Akundixeleli na? Wathi uAmnon kuye, Ndithanda uTamare, udade boAbhisalom umninawa wam.

5UYonadabhi wathi kuye, Lala esililini sakho, uzigulise; ke wòthi, akuza kukubona uyihlo, uthi kuye, Makhe eze uTamare udade wethu, andinike into edliwayo, ayenze phambi kwam, ukuze ndiyibone, ndiyidle esandleni sakhe.

6Walala ke uAmnon, wazigulisa. Ukumkani waya kumbona. Wathi uAmnon kukumkani, Makhe eze uTamare udade wethu, enze phambi kwam izonkana eziyolisa intliziyo, zibe zibini, ndizidle esandleni sakhe.

7Wathumela uDavide kuTamare endlwini, esithi, Khawuye endlwini ka-Amnon umnakwenu, umenzele ukudla.

8Waya uTamare endlwini ka-Amnon umnakwabo, yena elele phantsi. Wathabatha intlama, waxovula, wenza izonkana eziyolisa intliziyo phambi kwakhe, wazosa izonkana eziyolisa intliziyo.

9Wathabatha ipani, wazikhuphela phambi kwakhe; akavuma ukudla. Wathi uAmnon, Mabakhutshwe abantu bonke, baphume kum. Baphuma bonke abantu kuye.

10Wathi uAmnon kuTamare, Kuzise ekhusini apha ukudla, ndidle esandleni sakho. Wazithabatha uTamare izonkana eziyolisa intliziyo abezenzile, wazisa ekhusini kuAmnon umnakwabo.

11Wazisondeza kuye ukuba adle. Wesuka yena, wambamba, wathi kuye, Yiza, ulale nam, dade wethu.

12Wathi kuye, Musa, mnakwethu, musa ukundidlwengula; ngokuba akwenjiwa nje kwaSirayeli; musa ukulenza eli nyala.

13Mna ndingaya phi na nehlazo lam? Ke wena ungaba njengowabanobudenge kwaSirayeli. Khawuthethe ke ngoko nokumkani; ngokuba akangemangali nam kuwe.

14Akavuma yena ukuliphulaphula ilizwi lakhe. Wameyisa, wamdlwengula, walala naye.

15Waza uAmnon wamthiya ngentiyo enkulu kunene; ngokuba yaba nkulu intiyo awamthiya ngayo, ngaphezu kwentando abemthande ngayo. Wathi uAmnon kuye, Suka umke.

16Wathi kuye, Musa ukuba yimbangi yobu bubi bokundigxotha; bukhulu ngaphezu kobuyá ubenzileyo kum. Akavuma ukumphulaphula.

17Wabiza umfana, umlungiseleli wakhe, wathi, Khawugxothe le nkazana, imke kum, iye phandle, utshixe ucango emva kwayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ke yayambethe ingubo ende enemikhono; ngokuba bezisenjenjalo iintombi zokumkani eziseziintombi, ukwambatha ingubo yokwaleka. Wayikhuphela ngaphandle ke umlungiseleli wakhe, walutshixa ucango emva kwayo.

19UTamare wazigalela uthuthu entloko, wayikrazula ingubo yakhe ende enemikhono abeyambethe, wabeka isandla entloko, wemka, ehamba ekhala.

20Wathi uAbhisalom umnakwabo kuye, Ubenawe na uAmnon umnakwenu? Kaloku, dade wethu, hlala uthi tu, ngumnakwenu. Musa ukuyibekela ntliziyo le nto. Wahlala ke uTamare, wasisishwayimbana endlwini ka-Abhisalom umnakwabo.

21Waziva ukumkani uDavide zonke ezo nto, wavutha ngumsindo kunene.

22Akathetha nelibi nelilungileyo uAbhisalom kuAmnon; ngokuba uAbhisalom wamthiya uAmnon, ngale nto yokuba emdlwengule uTamare udade wabo.

23Kwathi, emva kweminyaka emibini, kwabakho abachebi kuAbhisalom eBhahali-hatsore kwaEfrayim. UAbhisalom wamema bonke oonyana bokumkani.

24Weza uAbhisalom, wathi kukumkani, Uyabona, naba abachebi kumkhonzi wakho; ukumkani nabakhonzi bakhe mabahambe nomkhonzi wakho.

25Ukumkani wathi kuAbhisalom, Musa, nyana wam; masingayi sonke sibe ngumthwalo kuwe. Wamzama; akavuma ukuya, kodwa wamsikelela.

26Wathi uAbhisalom, Ukuba akuyi wena, makakhe ahambe nathi uAmnon, umkhuluwa wam. Wathi ukumkani kuye, Ahambeleni na nawe?

27UAbhisalom wamzama; wavuma ukuba uAmnon ahambe naye, noonyana bonke bokumkani.

28UAbhisalom wawawisela umthetho amadodana akwakhe, wathi, Khanikhangele, xa ithe intliziyo ka-Amnon yamnandi yiwayini, ndaza ndathi kuni, Mbetheni uAmnon, nombulala. Musani ukoyika; àniwiselwe ndim na umthetho?

29Yomelelani nibe ngamakroti. Enza ke amadodana ka-Abhisalom kuAmnon njengoko uAbhisalom abewawisele umthetho. Besuka ke bonke oonyana bokumkani; walowo wakhwela kundlebende wakhe, basaba.

30Kwathi, besesendleleni, zafika iindaba kuDavide, zisithi, UAbhisalom ubabulele bonke oonyana bokumkani, akwasala namnye.

31Wesuka ukumkani, wazikrazula iingubo zakhe, waqungquluza emhlabeni; bonke abakhonzi bakhe bemi ngakuye, bezikrazule iingubo zabo.

32Waphendula uYonadabhi, unyana kaShimeha umkhuluwa kaDavide, wathi, Mayingàthi inkosi yam abulewe onke amadodana angoonyana bokumkani; ngokuba kufe uAmnon yedwa; ngokuba yagqitywa le nto ngumlomo ka-Abhisalom, kususela kwalaa mini wamdlwengula ngayo uTamare, udade wabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Ke ngoko, nkosi yam kumkani, ungàlibekeli ntliziyo eli lizwi lithi, bonke oonyana bokumkani bafile. Akunjalo; nguAmnon yedwa ofileyo.

34Wabaleka uAbhisalom. Ke kaloku umfana ongumlindi waphakamisa amehlo akhe, wakhangela, nanko kusiza into eninzi yabantu, ngendlela esecaleni lentaba, bevela ngasentshonalanga.

35Wathi uYonadabhi kukumkani, Naba oonyana bokumkani besiza; njengoko belinjalo ilizwi lomkhonzi wakho, kwenzeké ngokunjalo.

36Kwathi, akugqiba ukuthetha, babonakala befika oonyana bokumkani, baliphakamisa ilizwi labo, balila; kananjalo ukumkani nabakhonzi bakhe bonke batsho isililo esikhulu kunene.

37Ke uAbhisalom wabalekela kuTalemayi, unyana ka-Amihudi, ukumkani waseGeshuri. UDavide wenza isijwili ngonyana wakhe yonke imihla.

38Wabaleka ke uAbhisalom wafika eGeshuri, waba minyaka mithathu khona.

39UDavide ukumkani walangazelela ukuphuma aye kuAbhisalom, kuba wayeselethuthuzelekile ngoAmnon kuba efile.

USamuweli II 14

Ukubuya kuka-Abhisalom

1Wazi uYowabhi unyana kaTseruya, ukuba intliziyo yokumkani ibheke kuAbhisalom,

2uYowabhi wathumela ke eTekowa, wathabatha khona inkazana elumkileyo, wathi kuyo, Khawuzenze ozilileyo, khawunxibe iingubo zokuzila, ungazithambisi ngeoli; yiba njengenkazana le imenzela ofileyo izila imihla emininzi;

3uye kukumkani, uthethe kuye wenjenje. UYowabhi wafaka amazwi emlonyeni wayo.

4Yathetha inkazana yaseTekowa kukumkani, yawa ngobuso emhlabeni, yaqubuda, yathi, Sindisa, kumkani.

5Ukumkani wathi kuyo, Ùnandawoni na? Yathi, Hayi, ndingumhlolokazi; indoda yam ifile.

6Umkhonzazana wakho ebenoonyana ababini; balwa bobabini endle, akwabakho mhlanguli phakathi kwabo; omnye watsho komnye, wambulala.

7Ke kaloku, nanku, wonke umzalwane usukele phezulu komkhonzazana wakho, usithi, Sinike umbulali womzalwana wakhe, simbulale, ngenxa yomphefumlo womzalwana wakhe ambuleleyo, sitshabalalise nendlamafa; ukuze bacime ilahle lam eliseleyo, bangayisaliseli indoda yam igama nempunde emhlabeni.

8Wathi ukumkani kwinkazana leyo, Yiya endlwini yakho, mna ndiya kuwuwisa umthetho ngenxa yakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Inkazana yaseTekowa yathi kukumkani, Nkosi yam, kumkani, mabube phezu kwam, naphezu kwendlu kabawo, obo bugwenxa; makabe msulwa yena ukumkani netrone yakhe.

10Wathi ukumkani, Othetha into kuwe, mzise kum; akasayi kuphinda akuchukumise.

11Yathi, Ukumkani makhe amkhumbule uYehova uThixo wakhe, ukuze umphindezeli wegazi angakwandisi ukonakalisa, bangamtshabalalisi unyana wam. Wathi ke yena, Ehleli nje uYehova, akuyi kuwa nalunye unwele lonyana wakho emhlabeni.

12Yathi inkazana, Makhe athethe ilizwi umkhonzazana wakho enkosini yam ukumkani.

13Wathi yena, Thetha. Yathi inkazana leyo, Yini na ke ukuba ucinge into enjalo ngabantu bakaThixo? Ngokulithetha eli lizwi, ukumkani unjengonetyala, engambuyisi nje ukumkani umgxothwa wakhe.

14Ngokuba simelwe kukufa, sinjengamanzi aphaleleyo emhlabeni, angenakuhlanganiswa; noThixo akasusi mphefumlo, ufuna icebo, ukuze angamgxothi kuye umgxothwa.

15Le nto ndize kulithetha kukumkani inkosi yam eli lizwi ndenzé kuba abantu aba bendoyikisile; wathi ke umkhonzazana wakho, Makhe ndithethe kukumkani, mhlawumbi ukumkani angalenza ilizwi lomkhonzazana wakhe.

16Ngokuba wóva ukumkani, amhlangule umkhonzazana wakhe esandleni sale ndoda iza kunditshabalalisa mna, kunye nonyana wam elifeni likaThixo.

17Wathi ke umkhonzazana wakho, Ilizwi lenkosi yam ukumkani malibe lelokuphumza; ngokuba njengoko sinjalo isithunywa sikaThixo, injalo inkosi yam ukumkani, ukuva okulungileyo nokubi; uYehova uThixo wakho makabe nawe.

18Waphendula ke ukumkani, wathi kwinkazana, Musa ukukha uyikhanyele kum into endikubuzayo. Yathi inkazana, Mayikhe ithethe inkosi yam ukumkani.

19Wathi ke ukumkani, Isandla sikaYowabhi àsinawe na kule nto yonke? Yaphendula inkazana, yathi, Uhleli nje umphefumlo wakho, nkosi yam kumkani, inene, akukho nto ingasekunene nengasekhohlo kuko konke ekuthethayo inkosi yam ukumkani; ngokuba uYowabhi umkhonzi wakho, nguye lo undiwisele umthetho, nguye lo uwabekileyo emlonyeni womkhonzazana wakho onke la mazwi.

20Wenzé le nto umkhonzi wakho uYowabhi, ukuze buguqulwe ubuso bale nto. Ke inkosi yam ilumké ngokulumka kwesithunywa sikaThixo, ukuba yazi konke okusemhlabeni.

21Wathi ukumkani kuYowabhi, Uyabona, ndiyenzile ke loo nto; hamba uye, umbuyise umfana lowo uAbhisalom.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Wawa ke uYowabhi ngobuso emhlabeni, waqubuda, wabulela kukumkani, wathi, Namhla wázile umkhonzi wakho, ukuba úbabalwe nguwe, nkosi yam kumkani, esenzile nje ukumkani isicelo somkhonzi wakhe.

23Wesuka ke uYowabhi, waya eGeshuri, wamzisa uAbhisalom eYerusalem.

24Wathi ukumkani, Makajike aye endlwini yakhe, angabuboni ubuso bam. Wajika uAbhisalom, waya endlwini yakhe; akabubona ubuso bokumkani.

25Ke kumaSirayeli onke bekungekho ndoda injengoAbhisalom ukuba yinzwana, ngokokuze adunyiswe kunene; kwathabathela entendeni yonyawo kwesa elukakayini phezulu, kungekho siphako kuye.

26Ubesithi akuyicheba intloko yakhe (kuba bekusithi ekupheleni komnyaka iminyaka yonke ayichebe, ngokuba ibinzima phezu kwakhe, ayichebe ke), azilinganise iinwele zentloko yakhe, zisuke zibe ziishekele ezimakhulu mabini, ngokwelitye lokumkani.

27UAbhisalom wazalelwa oonyana abathathu, nentombi yanye; igama layo belinguTamare; ibiyinzwakazi ukubonakala kwayo.

28UAbhisalom wahlala eYerusalem iminyaka emibini; akabubona ubuso bokumkani.

29UAbhisalom wathumela kuYowabhi, ukuba amthumele kukumkani; akavuma ukuza kuye. Wabuya wathumela okwesibini; akavuma ukuza.

30Wathi kubakhonzi bakhe, Khangelani intsimi kaYowabhi, ingakweyam; unerhasi khona; yiyani, niyitshise ngomlilo. Bayitshisa ke abakhonzi baka-Abhisalom intsimi ngomlilo.

31Wesuka uYowabhi, waya kuAbhisalom, wathi kuye, Yini na ukuba abakhonzi bakho bayitshise ngomlilo intsimi yam?

32Wathi uAbhisalom kuYowabhi, Yabona, ndithuméle kuwe, ndisithi, Yiza apha, ndikuthumèle kukumkani, uye kuthi, Ndibuyisélweni na eGeshuri? Bekundilungele kanye ukuba ndibe ndisekhona. Kaloku mandibubone ubuso bokumkani; ukuba ndinetyala, makaselendibulala.

33Waya ke uYowabhi kukumkani, wamxelela. Wambiza uAbhisalom; waya kukumkani, waqubuda kuye ngobuso emhlabeni phambi kokumkani; ukumkani wamanga ke uAbhisalom.

USamuweli II 15

Uvukelo-mbuso luka-Abhisalom

1Kwathi emveni koko, uAbhisalom wazilungisela iinqwelo zokulwa, namahashe, namadoda angamashumi amahlanu ukuba abe zizigidimi phambi kwakhe.

2UAbhisalom wavuka kusasa, wema ngasecaleni lendlela yesango. Ubesakuthi, bonke abantu abanembambano yokuba kuyiwe kukumkani ngayo, ukuba ayigwebe,

© 1975 Bible Society of South Africa.

ababizele kuye uAbhisalom, abuze athi, Ùngowawuphi na umzi? athi umntu lowo, Ungowezizwe zakwaSirayeli umkhonzi wakho.

3Ubesakuthi ke uAbhisalom kuye, Yabona, iindawo zakho ezi zilungile, zithe tse; koko akunamntu wokuzithetha kukumkani;

4athi uAbhisalom, Andaba bendimisiwe ndaba ngumgwebi ezweni apha, beze kum bonke abantu abanendawo ekubanjwene ngayo; ngendibalungisa!

5Ubesithi, akusondela umntu eza kuqubuda kuye, asuke amnike isandla sakhe, ambambe, amange.

6Wenza ke uAbhisalom ngendawo enjalo kumaSirayeli onke, abesiza kukumkani ekugwebeni. Waziba uAbhisalom iintliziyo zamadoda akwaSirayeli.

7Kwathi, ekupheleni kweminyaka emashumi mané, wathi uAbhisalom kukumkani, Makhe ndiye ndisizalise isibhambathiso, endabhambathisa ngaso kuYehova eHebron;

8ngokuba umkhonzi wakho wabhambathisa ngesibhambathiso ekuhlaleni kwakhe eGeshuri kwa-Aram, esithi, Ukuba uYehova uthe wandibuyisela ngenene eYerusalem, ndomkhonza uYehova.

9Wathi ukumkani kuye, Hamba úxolile. Wesuka ke, waya eHebron.

10UAbhisalom wathumela iintlola ezizweni zonke zakwaSirayeli, esithi, Nákuliva izwi lesigodlo, yithini, UAbhisalom ungukumkani eHebron.

11Kwaphuma eYerusalem, kwahamba noAbhisalom, amakhulu amabini amadoda amenyiweyo; ayehamba eyeke umzimba, engazi nto.

12UAbhisalom wathumela, wabiza uAhitofele waseGilo, umphakathi kaDavide, emzini wakhe eGilo, ebingelela imibingelelo. Laba namandla elo yelenqe; kuba abantu baya besanda kuAbhisalom.

Ukusaba kukaDavide eYerusalem

13Kwafika umntu, wamxelela uDavide, esithi, Iintliziyo zamadoda akwaSirayeli zilandele uAbhisalom.

14Wathi uDavide kubakhonzi bakhe bonke abenabo eYerusalem, Sukani sibaleke; ngokuba asiyi kuba nakusinda ebusweni buka-Abhisalom. Khawulezani simke, hleze akhawuleze, asifikele, asihlisele ububi, awuxabele umzi ngohlangothi lwekrele.

15Bathi abakhonzi bokumkani kukumkani, Entweni yonke, eya kuyinyula inkosi yethu ukumkani, naba bekho abakhonzi bakho.

16Waphuma ukumkani, indlu yakhe yonke imlandela. Ukumkani washiya ishumi lamashweshwe, ukuze ayigcine indlu.

17Waphuma ke ukumkani, bemlandela abantu bonke; bema eBhete-meraki;

© 1975 Bible Society of South Africa.

18bonke abakhonzi bakhe behamba ecaleni lakhe, nabancinithi bonke, nezigidimi zonke, nabaseGati bonke: amakhulu amathandathu amadoda, awaye emlandela evela eGati, agqitha phambi kokumkani.

19Wathi ukumkani kuItayi waseGati, Yini na ukuba nawe uhambe nathi? Buya, uhlale nokumkani; ngokuba ùngowasemzini, ungumfiki, buyelaendaweni yakho;

20ungáthi, ufiké izolo eli, ndikubhadulisè nanamhla, ndikuhambise nathi na, ndisiya apho ndingaya khona nje? Buya, ubuyise abazalwana bakho; inceba nenyaniso ibe nawe.

21UItayi wamphendula ukumkani, wathi, Ehleli nje uYehova, ihleli nje inkosi yam ukumkani, inene, endaweni eya kuba kuyo inkosi yam ukumkani, nokuba kusekufeni, nokuba kusebomini, úya kuba lapho umkhonzi wakho.

22Wathi uDavide kuItayi, Hamba ugqithe ke. Wagqitha uItayi namadoda akhe onke, nosapho lonke abenalo.

23Lonke ilizwe laye lilila ngezwi elikhulu, bewela abantu bonke; ewela nokumkani emlanjaneni oyiKidron; abantu bonke bewela bekhangelene nendlela yentlango.

24Nanko, uTsadoki nabaLevi bonke benaye, bethwele ityeya yomnqophiso kaThixo, bayibeka phantsi ityeya kaThixo. Wenyuka uAbhiyatare, bada bagqibelela bonke abantu ukuwela, bephuma kuwo umzi.

25Wathi ukumkani kuTsadoki, Yibuyisele kuwo umzi ityeya kaThixo. Ukuba ndithe ndababalwa nguYehova, wóndibuyisa, andibonise yona kwanekhaya lakhe.

26Ukuba úthe, Andikunanzile; nanku ndikho, makenze kum ngoko kulungileyo emehlweni akhe.

27Wathi ukumkani kuTsadoki umbingeleli, Wena mboni, buyela kuwo umzi unoxolo, noAhimahatse unyana wakho, noYonatan unyana ka-Abhiyatare, oonyana benu bobabini kunye nawe.

28Yabonani, ndozilazila emazibukweni entlango, kude kufike ilizwi elivela kuni lokundixelela.

29UTsadoki noAbhiyatare bayibuyisela ityeya kaThixo eYerusalem, bahlala khona.

30UDavide wenyuka eqhineni leminquma, enyuka elila, egqubuthele intloko, ehamba engenazimbadada ezinyaweni zakhe; bonke abantu abenabo begqubuthele elowo intloko yakhe; benyuka, benyuka belila.

31Kwaxelwa kuDavide, kwathiwa, UAhitofele ukubacebisi baka-Abhisalom. Wathi uDavide, Yehova, khawulitshitshise icebo lika-Ahitofele.

32Kwathi, akuya kufika uDavide encotsheni, apho bekusakuqutyudwa khona kuThixo, nanko uHushayi umArki emkhawulela, ekrazule ingubo yakhe, enomhlaba entloko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33UDavide wathi kuye, Ukuba uthe wagqithela nam, woba ngumthwalo kum;

34ke ukuba uthe wabuyela kuwo umzi, wathi kuAbhisalom, Ndoba ngumkhonzi wakho, kumkani; ndibe ndifudula ndingumkhonzi kayihlo, ngoko ndingumkhonzi wakho: wònditshitshisela ke icebo lika-Ahitofele.

35Àbanawe na apho uTsadoki noAbhiyatare ababingeleli? Kothi ke, yonke into othe wayiva endlwini yokumkani, uyixele kuTsadoki noAbhiyatare ababingeleli.

36Yabona, bakho khona nabo oonyana babo bobabini, uAhimahatse okaTsadoki, noYonatan oka-Abhiyatare; nòlithumela ngesandla sabo kum lonke ilizwi enithe naliva.

37Waya ke uHushayi, umhlobo kaDavide, kuwo umzi; uAbhisalom weza eYerusalem.

USamuweli II 16

UTsibha noShimehi

1UDavide egqithile kancinane encotsheni yenduli, nanko uTsibha, umfana wakwaMefibhoshete, emkhawulela, enamaesile amabini ebotshiwe, ebekwe izonka ezimakhulu mabini, nekhulu lezicumba zeerasintyisi, nekhulu leziqhamo zasehlotyeni, nentsuba yewayini.

2Wathi ukumkani kuTsibha, Ùthini na ngezi zinto? Wathi uTsibha, Amaesile ngawokukhwela abendlu yokumkani, izonka neziqhamo zasehlotyeni zezokudliwa ngamadodana; iwayini yeyokuba basele abatyhafileyo entlango.

3Wathi ukumkani, Uphi na unyana wenkosi yakho? Wathi uTsibha kukumkani, Nankuya, ehleli eYerusalem; ngokuba úthi, Namhla indlu yakwaSirayeli iya kububuyisela kum ubukumkani bukabawo.

4Wathi ukumkani kuTsibha, Nanko, kukokwakho konke okukaMefibhoshete. Wathi uTsibha, Ndiyaqubuda; mandibabalwe nguwe, nkosi yam kumkani.

5Wafika ukumkani uDavide eBhahurim, nanko, kuphuma khona indoda yomzalwane wendlu kaSawule, egama linguShimehi, unyana kaGera; yaphuma yahamba itshabhisa.

6Yamxuluba ngamatye uDavide, nabakhonzi bonke bokumkani uDavide; bonke abantu namagorha onke babengasekunene nangasekhohlo kuye.

7Wathi uShimehi ukutshabhisa kwakhe, Phuma, phuma, mfondini wamagazi, mfondini ulitshijolo;

8uYehova uwabuyisele phezu kwakho onke amagazi endlu kaSawule, othe wena wangukumkani esikhundleni sakhe; uYehova ubunikele ubukumkani esandleni sika-Abhisalom, unyana wakho. Yabona, weyelé ebubini bakho, ngokuba ungumfo wamagazi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wathi ke uAbhishayi unyana kaTseruya kukumkani, Kungani na ukuba le nja ifileyo iyitshabhise inkosi yam ukumkani? Makhe ndiwele, ndiyinqumle intloko.

10Wathi ukumkani, Yintoni na enam nani, nina nyana bakaTseruya? Myeke atshabhise; xa uYehova athe kuye, Mtshabhise uDavide, ngubani na oya kuthi, Yini na ukuba wenjenjalo?

11Wathi uDavide kuAbhishayi nakubakhonzi bakhe bonke, Niyabona, unyana wam ophume ezibilinini zam ungxamele umphefumlo wam; angabeka phi na ke ngoku lo mBhenjamin? Myekeni atshabhise; ngokuba utshilo kuye uYehova.

12Mhlawumbi uYehova angabukhangela ubugwenxa bam, uYehova andibuyisele okulungileyo, esikhundleni sokutshabhiswa kwam namhla.

13UDavide wahamba ngendlela namadoda akhe; uShimehi ehamba ecaleni lentaba elilunge naye, engaphesheya; wahamba etshabhisa, wamxuluba ngamatye emalunga naye, emphosa nothuli.

14Ukumkani nabantu bonke abanaye beza eAyefim, bakha baphefumla khona.

UAhitofele noHushayi kunye noAbhisalom eYerusalem

15Ke kaloku uAbhisalom nabantu bonke, amadoda akwaSirayeli, beza eYerusalem, benoAhitofele.

16Kwathi, akufika uHushayi waseArki, umhlobo kaDavide, kuAbhisalom, wathi uHushayi kuAbhisalom, Makadle ubomi ukumkani, makadle ubomi ukumkani.

17Wathi uAbhisalom kuHushayi, Yinceba yakho na le kumhlobo wakho? Yini na ukuba ungahambi nomhlobo wakho?

18Wathi uHushayi kuAbhisalom, Hayi, onyulwe nguYehova nangaba bantu, nangamadoda onke akwaSirayeli, ndoba ngowakhe mna, ndihlale naye mna.

19Kananjalo ndibe ndifanele ukukhonza bani na? Bendingafanele kukhonza phambi konyana wakhe na? Njengoko ndakhonzayo phambi koyihlo, ndiya kwenjenjalo phambi kwakho.

20Wathi uAbhisalom kuAhitofele, Khanenze icebo, ukuba siya kwenza ntoni na.

21Wathi uAhitofele kuAbhisalom, Ngena kumashweshwe kayihlo, awashiyileyo ukuba agcine indlu, eve onke amaSirayeli ukuba uzinukisile kuyihlo, zomelele izandla zabo bonke abanawe.

22Bamtwabululela uAbhisalom intente phezu kwendlu; wangena uAbhisalom kumashweshwe kayise emehlweni amaSirayeli onke.

23Ke kaloku icebo lika-Ahitofele, abecebisa ngalo ngaloo mihla, belinjengelobúze kwilizwi likaThixo; belinjalo lonke icebo lika-Ahitofele kuDavide nakuAbhisalom.

USamuweli II 17

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukuwa nokufa kuka-Ahitofele

1Wathi uAhitofele kuAbhisalom, Makhe ndinyule ishumi lamawaka elinamawaka
amabini amadoda, ndisuke, ndimsukele uDavide ngobu busuku;

2ndimfikele ediniwe, ewé izandla, ndimothuse; basabe bonke abantu anabo;

3ndibulale ukumkani yedwa; ndibabuyisele kuwe bonke abantu; indoda leyo ufuna
yona injengokungathi babuye bonke; boxola bonke abantu.

4Lalunga elo zwi emehlweni ka-Abhisalom, nasemehlweni amadoda amakhulu onke
akwaSirayeli.

5Wathi uAbhisalom, Khawubize noHushayi waseArki, sive into esemlonyeni wakhe
naye.

6Weza uHushayi kuAbhisalom; wathi uAbhisalom kuye, UAhitofele uthethe eli lizwi
wenjenje. Sènze ngelizwi lakhe, singenzi ngalo, kusini na? Khawutsho wena.

7Wathi uHushayi kuAbhisalom, Icebo uAhitofele acebisa lona alilungile okwangoku.

8Wathi uHushayi, Wena uyamazi uyihlo namadoda akhe, ukuba ngamagorha
amphefumlo ulugcalagcala, njengebhere ehluthwe amathole ayo ezindle; uyihlo
yindoda eqhele ukulwa, akalali ebantwini.

9Yabona, kungokunje uzimele emgongxweni, nokuba kukwenye indawo. Kothi ke, xa
athe wabawela ekuqaleni, eve ovayo, athi, Kukho uxabelo ebantwini abamlandelayo
uAbhisalom;

10athi nomfo onobukroti, ontliziyo injengentliziyo yengonyama, anyibilike kuphele.
Ngokuba onke amaSirayeli ayazi ukuba uyihlo ligorha, abo banaye ngamakroti.

11Ndithi elam icebo, makahlanganiswe, ahlanganiselwe kuwe, onke amaSirayeli,
athabathele kwaDan ese eBher-sheba, abe njengentlabathi engaselwandle ubuninzi,
uye emfazweni ngesiqu.

12Sòfika ke kuye endaweni, apho afumaneke khona, sithi qatha phezu kwakhe,
njengokulala kombethe emhlabeni, kungasali namnye kuye nakumadoda onke
anaye.

13Ke ukuba úthe warholela emzini, onke amaSirayeli ozisa izintya kuloo mzi,
siwukrwiqilizele emlanjeneni, kude kungafumaneki nelityana khona.

14Wathi uAbhisalom namadoda onke akwaSirayeli, Icebo likaHushayi umArki lilungile
kunecebo lika-Ahitofele. UYehova wayemise ukuba litshitshiswe icebo elilungileyo
lika-Ahitofele, ukuze uYehova amzisele ububi uAbhisalom.

15Wathi uHushayi kuTsadoki nakuAbhiyatare ababingeleli, Wenjenje, wenjenje
uAhitofele ukumpha icebo uAbhisalom namadoda amakhulu akwaSirayeli; ke mna
ndenjenje, ndenjenje ukubapha icebo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Thumelani ke ngoko kamsinya, nimxelele uDavide, nithi, Musa ukulala ngobu
busuku emazibukweni entlango; khawuleza uwele, hleze aginywe ukumkani nabantu
bonke anabo.

17Ke kaloku uYonatan noAhimahatse babemi e-En-rogele; waye umkhonzazana
emana ukubaxelela; baya ke bona baxelela ukumkani uDavide; ngokuba
babengenakuya besiza phakathi komzi ekuhléni.

18Umfana wababona, waxelela uAbhisalom. Bobabini ke basaba ngokukhawuleza,
bafika endlwini yendoda eBhahurim ebinequla entendelezweni yayo, behla, behlela
khona apho.

19Intokazi yathabatha isigqubuthelo, yasitwabulula emlonyeni wequla elo, yaneka
phezu kwaso irhasi engqushiweyo; àyaziwa ke loo nto.

20Bafika abakhonzi baka-Abhisalom kuloo ntokazi endlwini, bathi, Baphi na
ooAhimahatse noYonatan? Yathi loo ntokazi kubo, Bawelé umlanjana lo unamanzi.
Bafuna ke, ababafumana; babuyela eYerusalem.

21Kwathi emva kokumka kwabo, baphuma equleni, baya bamxelela ukumkani
uDavide; bathi kuDavide, Sukani niwele kamsinya emanzini; ngokuba wenjenje
uAhitofele ukubapha icebo ngani.

22Wesuka ke uDavide nabantu bonke anabo, bayiwela iYordan; kwathi kusasa kwabe
kungasekho namnye ungayiwelanga iYordan.

23Ebonile uAhitofele ukuba akwenziwanga ngelakhe icebo, wabopha iesile, wesuka,
wagoduka, waya emzini wakhe, wayolela, wazikrwitsha wafa; wangcwatyelwa
engcwabeni likayise.

24UDavide wafika eMahanayim; uAbhisalom wayiwela iYordan, yena namadoda onke
akwaSirayeli kunye naye.

25UAbhisalom wammisa uAmasa esikhundleni sikaYowabhi phezu komkhosi. Ke
uAmasa ebengunyana wendoda egama lingulTra, engumYizereli, eyangena
kuAbhigali intombi kaNahashe, udade boTseruya, unina boYowabhi.

26AmaSirayeli noAbhisalom bamisa ezweni laseGiliyadi.

27Kwathi, akufika uDavide eMahanayim, uShobhi unyana kaNahashe, waseRabha
yakoonyana baka-Amon, noMakire unyana ka-Amiyeli, waseLo-debhare,
noBharzilayi, waseGiliyadi waseRogelim,

28bazisa iinkuko, nezitya, nemiphanda, nengqolowa, nerhasi, nomgubo,
namakhweba neembotyi, neentlumaya,

29nezinye izinto ezigcadiweyo, nobusi, namasi, nempahla emfutshane, nezonka
zamasi enkomo, kuDavide nabantu abenabo, ukuze badle; kuba babesithi, Abantu
balambile, batyhafile, banxaniwe entlango.

© 1975 Bible Society of South Africa.

USamuweli II 18

Ukoyiswa nokufa kuka-Abhisalom

1UDavide wababala abantu abenabo, wamisa abathetheli-mawaka nabathetheli-
makhulu phezu kwabo.

2UDavide wasinikela isahlulo sesithathu sabantu esandleni sikaYowabhi, nesahlulo
sesithathu esandleni sika-Abhishayi unyana kaTseruya, umninawa kaYowabhi,
nesahlulo sesithathu esandleni sikaItayi waseGati. Wathi ukumkani ebantwini, Nam
ndiya kuphuma, ndiphume nani.

3Bathi abantu, Ùze ungaphumi; ngokuba xa sithe sasaba, sisabile, abayi kusibekela
ntliziyo thina; nokuba kuthe kwafa isiqingatha kuthi, abayi kusibekela ntliziyo;
ngokuba ùngangamawaka alishumi kuthi; kulungile kanye ukuba usincede, ukuwo
umzi.

4Wathi ukumkani kubo, Okulungileyo emehlweni enu ndokwenza. Ukumkani wema
ecaleni lesango, abantu bonke baphuma ngamakhulu nangamawaka.

5Ukumkani wabawisela umthetho uYowabhi noAbhishayi noItayi, wathi, Mphatheni
kakuhle umfana uAbhisalom, ngenxa yam. Beva bonke abantu ukubawisela
kokumkani umthetho abathetheli ngenxa ka-Abhisalom.

6Baphuma ke abantu, baya ezindle, bawahlangabeza amaSirayeli; kwaliwa ehlathini
lakwaEfrayim;

7babulawelwa khona abantu bakwaSirayeli phambi kwabakhonzi bakaDavide; ngaloo
mini kwabakho khona uxabelo olukhulu, amawaka angamashumi omabini.

8Kwaphangalala khona ukulwa phezu kwelizwe lonke; ihlathi ladla ebantwini into
eninzi, ngaphezu kokudla kwekrele, ngaloo mini.

9UAbhisalom waqubisana nabakhonzi bakaDavide. UAbhisalom waye ekhwele
kundlebende, undlebende wangena phantsi kwentshinyela yomterebhinti omkhulu;
yabambeka emterebhintini intloko yakhe, waphakathi kwezulu nomhlaba; wemka
undlebende obephantsi kwakhe.

10Yábona indoda ethile, yamxelela uYowabhi, yathi, Khangela, ndimbonile
uAbhisalom exhomekile emterebhintini.

11Wathi uYowabhi kuloo ndoda imxeleleyo, Khangela, úmbonile nje, ibiyini na ukuba
ungàmbethi awe khona emhlabeni? Ngendikunike ishumi lesilivere nombhinqo.

12Yathi loo ndoda kuYowabhi, Ndingafanelana ndilinganiselwe esandleni sam iwaka
lesilivere, bendingede ndise isandla sam kunyana wokumkani; ngokuba ukumkani,
sisiva, wakuwisela umthetho, wena noAbhishayi noItayi, wathi, Nokuba ngoobani, ize
bamgcine umfana uAbhisalom.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Okanye ukuba bendithe ndenza ubuxoki emphefumlweni wakhe — kuba kungekho
nto ikhanyelekayo kukumkani — wena ubuya kundichasa.

14Wathi uYowabhi, Andinakwenjenje, ndilibale nguwe. Wathabatha izikhali
zazithathu ngesandla sakhe, wamhlaba uAbhisalom entliziyweni, esaphilile,
emterebhintini apho.

15Amrhawula amadodana alishumi angabaphathi bempahla kaYowabhi, atsho
kuAbhisalom, ambulala.

16Wavuthela uYowabhi isigodlo, babuya abantu ekuwasukeleni amaSirayeli; ngokuba
uYowabhi wabanqanda abantu.

17Bamthabatha uAbhisalom, bamphosa ehlathini emgongxweni omkhulu, bafumba
imfumba enkulu kakhulu yamatye phezu kwakhe. Asaba onke amaSirayeli, elowo
waya ententeni yakhe.

18Ke kaloku uAbhisalom ekudleni kwakhe ubomi wayethabathe wazimisela ilitye
elisentilini yokumkani; ngokuba ubesithi, Andinanyana wokulikhumbuza igama lam.
Walibiza ngegama lakhe elo litye: labizwa ngokuthi sisikhumbuzo sika-Abhisalom
unanamhla.

19Wathi uAhimahatse, unyana kaTsadoki, Mandigidime, ndimshumayeze ukumkani
iindaba ezilungileyo zokuba uYehova umgwebele, wamkhulula ezandleni zeentshaba
zakhe.

20Wathi uYowabhi kuye, Àkunguye mfo weendaba ezilungileyo namhla;
woshumayela iindaba ezilungileyo ngenye imini, kodwa namhla akusayi kushumayela
zindaba zilungileyo, ngokuba unyana wokumkani ufile.

21Wathi uYowabhi kuKushi, Hamba uye kumxelela ukumkani okubonileyo.
Waqubuda uKushi kuYowabhi, wagidima ke.

22Wabuya waphinda uAhimahatse, unyana kaTsadoki, wathi kuYowabhi, Nokuba
kutheni, makhe ndimlandele nam uKushi. Wathi uYowabhi, Yini na ukuba ugidime,
nyana wam, ungenazindaba zilungileyo zinanzuzo nje?

23Wathi, Nokuba kutheni, mandigidime. Wathi kuye, Gidima. Wagidima ke
uAhimahatse ngendlela yaloo mmandla, wegqitha kuKushi.

24Ke uDavide ebehleli phakathi kwamasango amabini. Umlindi waya emphezulwini
wesango eludongeni, waphakamisa amehlo akhe, wakhangela, nanko kusiza indoda,
ibaleka iyodwa.

25Wamemeza umlindi, waxelela ukumkani. Wathi ukumkani, Ukuba iyodwa,
ineendaba ezilungileyo emlonyeni wayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[26]Yeza isiza yasondela. Umlindi wabona enye indoda ibaleka; umlindi wamemeza esangweni, wathi, Nantsiya indoda ibaleka iyodwa. Wathi ukumkani, Naleyo ingumshumayeli weendaba ezilungileyo.

[27]Wathi umlindi, Ndikubona ukubaleka kwephambili kufana nokubaleka kuka-Ahimahatse, unyana kaTsadoki. Wathi ukumkani, Yindoda elungileyo leyo, iza neendaba ezilungileyo.

[28]Wamemeza uAhimahatse, wathi kukumkani, Hlala kakuhle. Waqubuda ngobuso emhlabeni kukumkani, wathi, Makabongwe uYehova uThixo wakho, owanikeleyo amadoda asiphakamisileyo isandla sawo enkosini yam ukumkani.

[29]Wathi ukumkani, Ihleli kakuhle na indodana uAbhisalom? Wathi uAhimahatse, Ndiboné ingxokolo enkulu, ekumthumeni kukaYowabhi umkhonzi kakumkani, nomkhonzi wakho lo, ndingazi ukuba yintoni na.

[30]Wathi ukumkani, Shenxela ecaleni, ume apha. Washenxa wema.

[31]Nanko ke uKushi efika. Wathi uKushi, Mayishunyayezwe iindaba ezilungileyo inkosi yam ukumkani; ngokuba uYehova ukugwebele namhla, wakukhulula esandleni sabo bonke ababesukele phezulu kuwe.

[32]Wathi ukumkani kuKushi, Ihleli kakuhle na indodana uAbhisalom? Wathi uKushi, Iintshaba zenkosi yam ukumkani, nabo bonke abasukele phezulu kuwe ukukwenza into embi, mababe njengaloo ndodana.

[33]Wagungqa ukumkani; wenyuka waya egumbini eliphezu kwesango, walila, wathetha ekuyeni kwakhe, esithi, Nyana wam, Abhisalom, nyana wam, nyana wam, Abhisalom! Akwaba bekufe mna esikhundleni sakho, Abhisalom, nyana wam, nyana wam!

USamuweli II 19

UDavide ubuyela eYerusalem

[1]Kwaxelwa kuYowabhi, kwathiwa, Nanko ukumkani elila, esenza isijwili ngoAbhisalom.

[2]Usindiso lwajika lwaba sisijwili ngaloo mini ebantwini bonke; ngokuba abantu beva ngaloo mini kusithiwa, Ukumkani wenza isijwili ngonyana wakhe.

[3]Abantu banyebeleza ngaloo mini ukungena kwabo phakathi komzi, njengokunyebeleza kwabantu abazihlazisileyo ngokusaba ekulweni.

[4]Ke ukumkani wazigqubuthela ubuso, wahlahlamba ukumkani ngezwi elikhulu, wathi, Nyana wam, Abhisalom! Abhisalom, nyana wam, nyana wam!

[5]Weza uYowabhi kukumkani endlwini, wathi, Ubudanisile namhla ubuso babakhonzi bakho bonke, abawusindisileyo namhla umphefumlo wakho, nomphefumlo

© 1975 Bible Society of South Africa.

woonyana bakho noweentombi zakho, nomphefumlo wabafazi bakho, nomphefumlo wamashweshwe akho, ngokubathanda abakuthiyayo, nangokubathiya abakuthandayo.

6Ngokuba ùxelile namhla, ukuba àbanto kuwe abathetheli nabakhonzi; ngokuba ndazile namhla, ukuba ngekulungile emehlweni akho, ukuba úbethe wadla ubomi uAbhisalom, thina safa sonke siphela.

7Vuka kaloku, uphume, uthethe kakuhle nabakhonzi bakho; ngokuba ndifunga uYehova; ukuba akuthanga uphume, inene, akuyi kuhlala mntu nawe ngobu busuku; kube kubi kuwe oko, ngaphezu kobubi bonke obukufikeleyo, kuthabathela ebuncinaneni bakho kuzise kweli xesha.

8Wavuka ke ukumkani, wahlala esangweni; kwaxelwa ebantwini bonke, kwathiwa, Nanko ukumkani ehleli esangweni. Beza ke bonke abantu phambi kokumkani. Ke amaSirayeli abesabile, elowo waya ententeni yakhe.

9Abantu bonke babephikisana ezizweni zonke zakwaSirayeli, besithi, Ukumkani wasisiza esandleni seentshaba zethu, wasisindisa esandleni samaFilisti; ngoku ubalekile kweli lizwe ngenxa ka-Abhisalom;

10ke uAbhisalom, esamthambisayo ukuba abe phezu kwethu, ufele emfazweni; ke ngoko nithéle cwaka ni na, ukuba ningàmbuyisi nje ukumkani?

11Ke kaloku ukumkani uDavide wathumela kuTsadoki nakuAbhiyatare ababingeleli, wathi, Thethani kumadoda amakhulu akwaYuda, nithi, Yini na ukuba nibe ngabokugqibela ekumbuyiseleni endlwini yakhe ukumkani, intetho yamaSirayeli onke ifikile nje kukumkani endlwini yakhe?

12Ningábazalwana bam, nilithambo lam, nenyama yam; yini na ukuba nibe ngabokugqibela ekumbuyiseni ukumkani?

13Níthi ke kuAmasa, Àkulilo ithambo lam nenyama yam na? UThixo makenjenje kum, aqokele ukwenjenje, ukuba àkuthe waba ngumthetheli womkhosi phambi kwam yonke imihla esikhundleni sikaYowabhi.

14Wayitsala intliziyo yamadoda onke akwaYuda njengandoda-nye; athumela kukumkani athi, Buya wena, nabakhonzi bakho bonke.

15Wabuya ke ukumkani, wafika eYordan. Ke amaYuda afika eGiligali, esiya kumkhawulela ukumkani, amweze ukumkani eYordan.

16UShimehi unyana kaGera, umBhenjamin waseBhahurim, wakhawuleza, wehla namadoda akwaYuda, esiya kumkhawulela ukumkani uDavide,

17enewaka lamadoda akwaBhenjamin, noTsibha umkhonzi wendlu kaSawule, noonyana bakhe abalishumi elinabahlanu, nabakhonzi bakhe abangamashumi amabini kunye naye; baphumela eYordan phambi kokumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Kwawela umkhombe wokuweza, ukuba uyiweze indlu yokumkani, wenze
okulungileyo emehlweni akhe. UShimehi, unyana kaGera, wawa phambi kokumkani
ekuweleni kwakhe eYordan,

19wathi kukumkani, Inkosi yam mayingabàleli bugwenxa kum, ungakukhumbuli oko
wakwenzayo umkhonzi wakho ngobugwenxa, ngalaa mini yaphuma ngayo inkosi
yam ukumkani eYerusalem, ukuba ukumkani akubekele intliziyo oko.

20Ngokuba umkhonzi wakho lo uyazi, ukuba wóna ngalaa nto; nanku,
ndingowokuqala ofikileyo namhla wasendlwini yonke kaYosefu, ukuba ndihle
ndiyikhawulele inkosi yam ukumkani.

21Waphendula uAbhishayi unyana kaTseruya, wathi, UShimehi akayi kubulawa na
ngalaa nto, ngokuba wamtshabhisayo umthanjiswa kaYehova?

22Wathi uDavide, Yintoni na enam nani, nina nyana bakaTseruya, ngokuba
ningabachasi bam namhla? Kukho mntu na kwaSirayeli apha uya kubulawa namhla?
Ngokuba andazi yini na, ukuba ndingukumkani kwaSirayeli namhlanje?

23Wathi ukumkani kuShimehi, Akuyi kufa. Ukumkani wamqinisisa ngesifungo.

24Ke uMefibhoshete, unyana kaSawule, wehla waya kumkhawulela ukumkani,
engazihlambanga iinyawo zakhe, engazichazanga iindevu zakhe, engazihlambanga
neengubo zakhe, kususela kwimini yokumka kokumkani, kwada kwayimini yokufika
kwakhe enoxolo.

25Kwathi, ekufikeni kwakhe eYerusalem, eza kukhawulela ukumkani, wathi ukumkani
kuye, Ibiyini na ukuba ungahambi nam, Mefibhoshete?

26Wathi, Nkosi yam kumkani, umkhonzi wam lowa undikhohlisile; ngokuba umkhonzi
wakho lo undim ubesithi, Ndiya kuzibophela iesile, ndikhwele kulo, ndihambe
nokumkani; ngokuba umkhonzi wakho lo undim usisiqhwala.

27Wesuka yena wamhleba umkhonzi wakho lo undim enkosini yam ukumkani. Inkosi
yam ukumkani injengesithunywa sikaThixo; yènza okulungileyo emehlweni akho.

28Ngokuba yonke indlu kabawo ibingento yímbi enkosini yam ukumkani, ibingabantu
bokufa; wena wambeka umkhonzi wakho lo undim phakathi kwabadla etafileni
yakho. Ndisenabango lini na ke, ndisenakukhala ngantoni na kukumkani?

29Wathi ukumkani kuye, Ùsathethela ntoni na ngeendawo zakho? Ndithe,
Yahlulelanani ngomhlaba lowo wena noTsibha.

30Wathi uMefibhoshete kukumkani, Makawuthabathe wonke, iselifikile nje inkosi
yam ukumkani inoxolo endlwini yayo.

31UBharzilayi waseGiliyadi wehla eRogelim, wawela nokumkani eYordan, ukuba
amkhaphele phesheya kweYordan.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Ke uBharzilayi ebeyingwevu enkulu, eminyaka imashumi asibhozo ezelwe. Yena
ebemxhasile ukumkani ekuhlaleni kwakhe eMahanayim; ngokuba ebengumntu
omkhulu kunene.

33Wathi ukumkani kuBharzilayi, Wela nam wena, ndikuxhase ukum eYerusalem.

34Wathi uBharzilayi kukumkani, Mingaphi na imihla yeminyaka yokudla kwam ubomi,
ukuba ndinyuke ndiye eYerusalem nokumkani?

35Namhla ndiminyaka imashumi asibhozo ndizelwe; ndinako na ukwazi okulungileyo
kokubi? Únako na umkhonzi wakho lo ukuyiva into ayidlayo nayiselayo? Ndisenako
na ukuva ilizwi leemvumi neleemvumikazi? Yini na ukuba umkhonzi wakho lo abuye
abe ngumthwalo kwinkosi yam ukumkani?

36Umkhonzi wakho lo uya kuyiwela ke iYordan nokumkani umzuzwana; yini na ukuba
ukumkani andiphathe ngale mpatho?

37Makhe abuye umkhonzi wakho lo, ukuze ndifele emzini wam, ngasengcwabeni
likabawo noma. Nanko umkhonzi wakho, uKimham; makuwele yena nenkosi yam
ukumkani, umenzele okulungileyo emehlweni akho.

38Wathi ukumkani, UKimham wowela nam, ndimenzele mna okulungileyo
emehlweni akho; nento yonke othe wayinyula, wayibeka phezu kwam, ndokwenzela.

39Bawela ke bonke abantu eYordan. Ewelile ukumkani, ukumkani wamanga
uBharzilayi, wamsikelela; waza wabuyela endaweni yakhe.

40Wawela ke ukumkani, waya eGiligali, wawela ke naye uKimham; bonke abantu
bakwaYuda bamweza ukumkani, kwanesiqingatha sabantu bakwaSirayeli.

41Nanko kusiza onke amadoda akwaSirayeli kukumkani, athi kukumkani, Yini na
ukuba abazalwana bethu, amadoda akwaYuda, bambé, bamweze ukumkani nendlu
yakhe eYordan, enamadoda onke kaDavide?

42Aphendula onke amadoda akwaYuda kumadoda akwaSirayeli, athi, Kungokuba
ukumkani esalamana nathi; yini na ukuba nivuthe ngumsindo ngale ndawo? sikhe
sadla nto na kukumkani? sikhe saphiwa nto na?

43Aphendula amadoda akwaSirayeli kumadoda akwaYuda, athi, Sinezahlulo
ezilishumi thina kukumkani nakuDavide sinokungaphezu kwenu; yini na ukuba
nisicukuceze? Ilizwi lethu lokumbuyisa ukumkani wethu belingáqale kuthi yini na?
Laba lukhuni ilizwi lamadoda akwaYuda kunelizwi lamadoda akwaSirayeli.

USamuweli II 20

Uvukelo-mbuso lukaShebha luchithwa nguYowabhi

1Kwathi gaxa khona indoda elitshijolo, egama linguShebha, unyana kaBhikri,
umBhenjamin. Yavuthela isigodlo, yathi, Asinasabelo thina kuDavide, asinalifa
kunyana kaYese; yiyani elowo ezintenteni zenu, maSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Enyuka ke onke amadoda akwaSirayeli, emka ekumlandeleni uDavide, alandela uShebha unyana kaBhikri; ke amadoda akwaYuda anamathela kukumkani wawo, ethabathela eYordan esa eYerusalem.

3Weza uDavide endlwini yakhe eYerusalem; ukumkani wabathabatha abafazi bakhe abalishumi abangamashweshwe, abebashiyile ukuba bagcine indlu, wababeka endlwini yogcino, wabaxhasa, akangena kubo. Bavalelwa ke yada yaba yimini yokufa kwabo, behleli bengabahlolokazi.

4Wathi ukumkani kuAmasa, Ndíhlabele umkhosi kumadoda akwaYuda ngemihla emithathu, ubekho nawe apha.

5UAmasa waya kuwahlabela umkhosi amaYuda, walíbala ngaphezu kwexesha abemiselwe lona.

6Wathi uDavide kuAbhishayi, Kungokunje uShebha, unyana kaBhikri, uya kusenzela ububi ngaphezu koAbhisalom; báthabathe wena abakhonzi benkosi yakho, umsukele, hleze afumane imizi enqatyisiweyo, asizímele.

7Aphuma amlandela amadoda kaYowabhi, nabancinithi, nezigidimi, namagorha onke; baphuma ke eYerusalem, baya kumsukela uShebha unyana kaBhikri.

8UAmasa weza kubo besetyeni elikhulu eliseGibheyon. Ke uYowabhi ubeyibhinqile ingubo yakhe yokulwa, umbinqo wekrele unxitywe ngaphezu kwayo esinqeni sakhe, lisesingxobeni salo; sancothuka ke, lawa ikrele.

9Wathi uYowabhi kuAmasa, Usahleli kakuhle na, mzalwana wam? UYowabhi wambamba uAmasa ngeendevu ngesandla sokunene, ukuba amange.

10Ke uAmasa ubengalilumkele ikrele elibe lisesandleni sikaYowabhi. Wamhlaba ngalo esiswini, wamphalaza izibilini emhlabeni, akaphinda amhlabe; wafa. UYowabhi noAbhishayi umzalwana wakhe bamsukela uShebha, unyana kaBhikri.

11Kwema enye kumadodana akwaYowabhi ngakuye, yathi, Ubani ononelele uYowabhi, nongakuDavide, makalandele uYowabhi.

12UAmasa watyikatyikeka egazini emendweni. Yabona indoda leyo, ukuba abantu bonke bathe nqumama, yamsusa uAmasa emendweni, yamshenxisela ecaleni, yaphosa ingubo phezu kwakhe; ngokokuba ibibona bemana ukuthi nqumama bonke abafika kuye.

13Ákususwa ke emendweni, onke amadoda egqitha, alandela uYowabhi, asukela uShebha, unyana kaBhikri.

14Wacanda ezizweni zonke zakwaSirayeli, waya eAbhele naseBhete-mahaka; namadodana onke abizelwa ndawonye, eza amlandela nawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Bafika bamngqinga eAbhele-bhete-mahaka, bawufumbela udonga lokungqinga umzi lowo, lwema phezu komsele wongqameko; baye bonke abantu ababenoYowabhi beluqhuqha, ukuze udonga lomzi luwe.

16Kwamemeza intokazi elumkileyo ikuloo mzi, yathi, Yivani, yivani; khanithi kuYowabhi, Sondela apha, ndithethe nawe.

17Wasondela ke kuyo; yathi loo ntokazi, ÙnguYowabhi na? Wathi, Ndinguye. Yathi kuye, Phulaphula amazwi omkhonzazana wakho. Wathi, Ndiyeva.

18Yatsho yathi, Kwakufudula kusithiwa, Ukubuza makubuzwe eAbhele, benjenjalo ukuyifeza into.

19Ndingowabaxolileyo, abathembekileyo kwaSirayeli; ke ùfuna ukubulala umzi ongunozala kwaSirayeli. Yini na ukuba uliginye ilifa likaYehova?

20Waphendula uYowabhi, wathi, Makube lee, makube lee kum, ukuba ndiginye nokuba ndonakalise.

21Hayi, akunjalo; kusuke indoda yasezintabeni zakwaEfrayim, enguShebha ngegama, unyana kaBhikri, yasiphakamisa isandla sayo kukumkani, kuDavide; khuphani yona yodwa, ndomka kulo mzi. Yathi loo ntokazi kuYowabhi, Yabona, intloko yayo iya kugityiselwa kuwe phezu kodonga.

22Yaya loo ntokazi kubantu bonke ngobulumko bayo. Bayinqumla ke intloko kaShebha, unyana kaBhikri, bayigibisela kuYowabhi. Wavuthela isigodlo, baphangalala bemka kuloo mzi, elowo waya ententeni yakhe. UYowabhi wabuyela eYerusalem kukumkani.

23Ke kaloku uYowabhi wawuphatha wonke umkhosi wakwaSirayeli; uBhenaya, unyana kaYehoyada, waphatha abancinithi nezigidimi.

24UAdoram waphatha abafakwa uviko; uYehoshafati, unyana ka-Ahiludi, ubengumkhumbuzi wezinto zakomkhulu.

25USheva ubengumbhali; uTsadoki noAbhiyatare baye bengababingeleli.

26Kananjalo uIra waseYahire ubengumbingeleli kuDavide.

USamuweli II 21

Indlala; ibali likaRitspa

1Ke kwabakho indlala ngemihla kaDavide iminyaka yamithathu, umnyaka ngomnyaka. UDavide wafuna ubuso bukaYehova. Wathi uYehova, Kungenxa kaSawule, nangenxa yendlu yamagazi akhe, ngenxa enokuba wabulala abaseGibheyon.

2Ukumkani wababiza ke abaseGibheyon, wathi kubo (ke kaloku abaseGibheyon babengengabonyana bakaSirayeli, babengamaqongqolo ama-Amori; oonyana

© 1975 Bible Society of South Africa.

bakaSirayeli babewaqinisise ngesifungo; uSawule wafuna ukuwabulala ngokuzondelela kwakhe amaSirayeli namaYuda):

3wathi ke uDavide kwabaseGibheyon, Ndínenzele ntoni na? Ndícamagushe ngantoni na, ukuze nilisikelele ilifa likaYehova?

4Bathi abaseGibheyon kuye, Àkunathi ukubiza isilivere negolide kuSawule nakwindlu yakhe; àkunathi ukubulala umntu kwaSirayeli. Wathi kubo, Nithi ke, mandinenzele ntoni na?

5Bathi kukumkani, Indoda eyasigqibayo, eyagqiba kwelokuba sitshatyalaliswe, singemi emdeni wonke wakwaSirayeli,

6makunikelwe kuthi isixhenxe samadoda koonyana bayo, siwabethelele eminqamlezweni kuYehova eGibheha kaSawule, umnyulwa kaYehova. Wathi ukumkani, Ndowanikela mna.

7Ke ukumkani wamsindisa uMefibhoshete, unyana kaYonatan, unyana kaSawule, ngenxa yesifungo sikaYehova esibe siphakathi kwabo, phakathi koDavide noYonatan unyana kaSawule.

8Ukumkani wathabatha oonyana ababini bakaRitspa intombi ka-Aya, awayizalela uSawule, uArmoni noMefibhoshete; noonyana abahlanu bakaMeribha intombi kaSawule, awabazalela uAdriyeli unyana kaBharzilayi waseMehola.

9Wabanikela esendleni sabaseGibheyon, ababethelela eminqamlezweni entabeni phambi koYehova, sawa kunye isixhenxe eso. Babulawa bona ngeemini zokuqala zokuvuna, ekuqaleni kokuvunwa kwerhasi.

10URitspa, intombi ka-Aya, wathabatha ingubo erhwexayo, wazanekela eweni, esusela ekuqaleni kokuvuna, wezisa ekuthululweni kwamanzi ezulwini phezu kwabo; àkavuma ukuba iintaka zezulu zithi vu phezu kwabo emini, namarhamncwa asendle ebusuku.

11Waxelelwa uDavide awakwenzayo uRitspa intombi ka-Aya, ishweshwe likaSawule.

12UDavide waya, wawathabatha amathambo kaSawule, namathambo kaYonatan unyana wakhe, kubemi baseYabheshe yeGiliyadi, ababewabile endaweni yembutho yaseBhete-shan, apho amaFilisti abebaxhome khona, mini amaFilisti ambulalayo uSawule eGilibhowa;

13wawanyusa khona amathambo kaSawule namathambo kaYonatan unyana wakhe, bawabutha namathambo abo babebethelelwe eminqamlezweni;

14amathambo kaSawule noYonatan unyana wakhe bawangcwabela ezweni lakwaBhenjamin eTsela, engcwabeni likaKishe uyise; bakwenza konke abewise umthetho ngako ukumkani. Wandula wathandazeka ke uYehova ngenxa yelizwe.

Amagorha kaDavide nobukroti bawo

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kwabuya kwabakho ukulwa kwamaFilisti namaSirayeli, wehla uDavide enabakhonzi bakhe, balwa namaFilisti; watyhafa uDavide.

16Wathi uIshbhi-bhenobhi, obengowoonyana bakaRafa, obunzima bentshuntshe yakhe bebungamakhulu omathathu obhedu ubunzima bayo, enxibe ikrele elitsha, waba womxabela uDavide.

17UAbhishayi unyana kaTseruya wamnceda, wamxabela umFilisti lowo, wambulala. Aza amadoda kaDavide amfungela esithi, Ùze ungabuyi uphume nathi uye ekulweni, ucime isibane samaSirayeli.

18Kwathi emveni kokuba njalo, kwabuya kwabakho ukulwa namaFilisti eGobhi; oko uSibhekayi umHusha wamxabeláyo uSafu, obengowoonyana bakaRafa.

19Kwabuya kwabakho ukulwa namaFilisti eGobhi, apho uElihanan, unyana kaYahare-oregim waseBhetelehem, wamxabelayo uLami, umzalwana kaGoliyati waseGati, oluthi lwentshuntshe yakhe lwalúngangomthi wabaluki.

20Kwabuya kwabakho ukulwa eGati. Kwakho ndoda iyingxilimbela, ibineminwe emithandathu sandleni sinye, namazwane amathandathu lunyaweni lunye, amashumi amabini anamané ngenani; nayo ibizalwa nguRafa.

21Yawangcikiva amaSirayeli, wayixabela uYonatan unyana kaShimeha, umkhuluwa kaDavide.

22Abo bobané bazalwa nguRafa eGati; bawa ngesandla sikaDavide, nangesandla sabakhonzi bakhe.

USamuweli II 22

Ingoma yombulelo kaDavide

(INdumiso 18)

1Wathetha uDavide kuYehova amazwi ale ngoma, mini uYehova wamhlangulayo esandleni seentshaba zakhe zonke, nasesandleni sikaSawule, wathi:

2Yehova, ngxondorha yam, mboniselo yam, msizi wam mna lo,

3Thixo oliliwa lam, endizímela ngalo; Ngweletshetshe yam, luphondo losindiso lwam, Ngxonde yam, ndawo yokusabela kwam, Msindisi wam, undisindisa ekugonyamelweni.

4Ndinqula uYehova ongowokudunyiswa, Ndiyasindiswa ke ezintshabeni zam.

5Ákundijikela amáza alwayo okufa, Yakundidandathekisa imilambo yobutshijolo,

6Zakundibhijela izintya zelabafileyo, Zakundirhintyela izirhintyelo zokufa,

7Ekubandezelekeni kwam, ndanqula uYehova, Ndamnqula uThixo wam: Waliva etempileni yakhe izwi lam, Ukuzibika kwam kwafika ezindlebeni zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Lahexa ke lanyikima ihlabathi, Iziseko zezulu zagungqa, Zahexa ngokuba enomsindo.

9Kwathi thaphu umsi emathatheni akhe, Wadla umlilo uphuma emlonyeni wakhe, Avutha amalahle, ephuma kuwo.

10Wawathoba amazulu, wehla, Yangamafu amnyama phantsi kweenyawo zakhe.

11Wakhwela ekerubhini, waphaphazela, Wabonakala esemaphikweni omoya.

12Wamisa ubumnyama ngeenxa zonke kuye, bayiminquba, Intlanganisela yamanzi, neengqimba zamafu.

13Ekuqaqambeni okuphambi kwakhe Kwavutha amalahle omlilo.

14Wadudumisa emazulwini uYehova, Oseyangweni walikhupha izwi lakhe.

15Wathuma iintolo, wabaphangalalisa; Umbane, wabadubaduba.

16Kwabonakala imiphantsi yolwandle, Kwatyhileka iziseko zelimiweyo Ngokukhalima kukaYehova. Ngokufutha komoya womsindo wakhe.

17Wolula isandla, ephezulu, wandibamba, Wandirhola emanzini amaninzi.

18Wandihlangula elutshabeni lwam olunamandla, Kwabandithiyileyo, ngokuba bebomelele kunam.

19Bandifikela ngemini yokusindeka kwam, Waba sisixhaso kum uYehova.

20Wandikhuphela endaweni ebanzi, Wandihlangula ngokuba endinonelele.

21UYehova wandiphatha kakuhle ngokobulungisa bam, Wandibuyisela ngokuhlambululeka kwezandla zam.

22Ngokuba ndazigcina iindlela zikaYehova, Andemka ngokungendawo kuThixo wam.

23Ngokuba onke amasiko akhe aphambi kwam; Nemimiselo yakhe, andityekanga kuyo.

24Ndandingogqibeleleyo kuye, Ndazinqanda ebugwenxeni bam.

25Wandibuyisela ke uYehova ngokobulungisa bam, Ngokobunyulu bam, phambi kwamehlo akhe.

26Kowenceba ùzenza owenceba, Kwigorha eligqibeleleyo ùzenza ogqibeleleyo.

27Kozenze nyulu ùzenza onyulu, Kojibilizayo ùzenza onobuqhokolo.

28Abantu abaziintsizana ùyabasindisa, Amehlo akho ajongene nabaqwayingileyo, ubathobe.

29Kuba ùsisibane sam, wena Yehova, UYehova ukhanyisela ubumnyama bam.

30Kuba ngawe ndigila impi, NgoThixo wam nditsiba iindonga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31UThixo yena — igqibelele indlela yakhe, Ilizwi likaYehova linyibilikisiwe, Úyingweletshetshe kubo bonke abazímela ngaye.

32Ngokuba ngubani na onguThixo, ingenguye uYehova? Ngubani na oliliwa, ingenguThixo wethu?

33UloThixo uligwiba lam elinamandla, Umalathisayo ogqibeleleyo indlela yakhe;

34Uzifanisayo iinyawo zam nezamaxhamakazi, Undimisayo emimangweni yam;

35Uzifundisayo ukulwa izandla zam, Zigobe isaphetha sobhedu iingalo zam.

36Ùndinike ingweletshetshe yosindiso lwakho, Ukundiphulaphula kwakho kwandikhulisa.

37Ùwenzele indawo ebanzi amanyathela am phantsi kwam, Amaxhwele am akahexa.

38Ndiya kuzisukela iintshaba zam, ndizitshabalalise, Ndingabuyi zide ziphele.

39Ndiya kuzigqiba, ndiziphaluse, zingavuki, Ziwe phantsi kweenyawo zam.

40Ùndibhinqise ukukhaliphela imfazwe, Ùbaguqisa phantsi kwam abasukela phezulu kum.

41Iintshaba zam uzenzé zandinikela ikhosi, Abandithiyayo ndababhangisa.

42Bayabhekabheka, kungabikho msindisi; KuYehova, angabaphenduli.

43Ndibacola njengothuli lomhlaba, Ndibacumza, ndibaxovula njengodaka lwendlela, ndibasasaze.

44Ùndisiza ekubambaneni kwabantu bam nam, Ùndigcina ndibe yintloko yeentlanga. Abantu ebendigabazi baya ndikhonza.

45Oonyana bolunye uhlanga baya kundilulamela, behanahanisa, Bandithòbele besave ngeendlebe.

46Oonyana bolunye uhlunga bayantshwenya, Baphuma benovalo ekuvingcelweni kwabo.

47UYehova uhleli, lelokubongwa iliwa lam, Aphakanyiswe uThixo, iliwa losindiso lwam.

48UloThixo undiphindezelayo, Uzihliselayo phantsi kwam izizwe,

49Undikhuphayo ezintshabeni zam; Undiphakamisayo kwabasukela phezulu kum; Undihlangulayo kumfo ogonyamelayo.

50Ngenxa yoko ndiya kubulela kuwe, Yehova, phakathi kweentlanga, Ndivume kwigama lakho.

51Ulokhulisa usindiso lokumkani wakhe; Owenzayo inceba kumthanjiswa wakhe, KuDavide, nakwimbewu yakhe kude kuse ephakadeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

USamuweli II 23

Amazwi okugqibela kaDavide

1Ngawo la ke amazwi okugqibela kaDavide: Utsho uDavide unyana kaYese, Itsho indoda eyaphakanyiselwa phezulu, Umthanjiswa woThixo kaYakobi, Omihobe imnandi kwaSirayeli,

2Ukuthi, UMoya kaYehova uthetha ngam, Ukukhuluma kwakhe kuselulwimini lwam.

3Uthi uThixo kaSirayeli, ULiwa lakwaSirayeli uthetha kum, uthi, Kuya kuvela umlawuli woluntu olilungisa, Elawula ngokoyika uThixo.

4Unjengokukhanya kwentsasa, lakuphuma ilanga, Njengentsasa engenamafu, Lakusa ibisína, Lwakuphuma uhlaza endle.

5Kuba ayinjalo yini na indlu yam kuThixo? Kuba undenzele umnqophiso ongunaphakade, Walungiswa ngeento zonke, wagcinwa; Kuba ukusindiswa kwam konke, nokunqwena kwam konke, Akayi kukuhlumisa yini na?

6Ke amatshijolo onke ephela anjengemithana enameva ecukulwayo, Kuba ingenakuthatyathwa ngesandla. Umntu ukuyiphatha

7Umntu ukuyiphatha Uzalisa isandla ngentsimbi noluthi lwentshuntshe, Itshiswe itshe ngumlilo kwalapho ikhona.

Izenzo zamagorha kaDavide

8Ngawo la amagama amagorha kaDavide: nguYoshebhe-bhashebhete waseTakemon, obeyintloko yabaphathimikhosi; yena watyityimbisa intshuntshe yakhe phezu kwamakhulu asibhozo awahlatywa ngesihlandlo esinye.

9Nganeno kwakhe nguElazare, unyana kaDodayi, unyana womAhowa, obelelinye kumagorha lawo mathathu abenoDavide ekuwangcikiveni kwawo amaFilisti, abebuthelene khona emfazweni, akubon' ukuba anyukile amadoda akwaSirayeli:

10yena wesuka wawabulala amaFilisti, sada sadinwa isandla sakhe, somela ekreleni isandla sakhe; wenza ke uYehova usindiso olukhulu ngaloo mini; babuya abantu bamlandela, banela ukuthimba kuphela.

11Nganeno kwakhe nguShama, unyana ka-Age umHarari. AmaFilisti ayehlanganisene asisiqhu. Kwaye kukho apho isiqwenga somhlaba sizele ziintlumaya; basaba abantu ebusweni bamaFilisti;

12wesuka yena wema esazulwini sesiqwenga eso, wasihlutha, wawabulala amaFilisti. UYehova wenza ke usindiso olukhulu.

13Kwehla isithathu sabaziintloko emashumini amathathu abaphathi-mikhosi, beza kuDavide, xa kuvunwayo, emqolombeni waseAdulam; saye isiqhu samaFilisti simise iintente entilini yamaRafa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14UDavide oko ubesemboniselweni; ikampu yamaFilisti oko ibiseBhetelehem.

15Wanqwena uDavide, wathi, Akwaba, bethu, bendingàsezwa amanzi equla laseBhetelehem, elisesangweni!

16Atyhudisa loo magorha mathathu empini yamaFilisti, ákha amanzi equleni laseBhetelehem elisesangweni, awathwala awazisa kuDavide. Akavuma ukuwasela, wawathululela phantsi phambi koYehova.

17Wathi, Makube lee kum, Yehova, ukwenza oko. Asiligazi na eli lamadoda ahambé encamé imiphefumlo yawo? Akavuma ke ukuwasela. Enza ezo zinto amagorha lawo mathathu.

18Ke uAbhishayi, umninawa kaYowabhi, unyana kaTseruya, yena ube eyintloko yabaphathi-mikhosi; wathi rhuthu intshuntshe yakhe phezu kwamakhulu amathathu abahlatywáyo. Wayenegama ke kwabo bathathu.

19Wayezukile okunene ngaphezu kwamashumi amathathu lawo, waba ngumthetheli wawo; kodwa akafikanga kwabaya bathathu.

20Ke uBhenaya unyana kaYehoyada, unyana wendoda enobukroti, ozenzo zininzi, waseKabhetseli, yena wabulala iingwanyalala ezimbini zakwaMowabhi; yena wehla, wabulala ingonyama equleni phakathi, mini ngekhephu.

21Yena wabulala indoda engumYiputa, indoda enewonga; umYiputa lowo wayephethe intshuntshe. Wehla, waya kuye enentonga, wayihlutha intshuntshe esandleni somYiputa lowo, wambulala ngentshuntshe yakhe.

22Wenza ezo zinto uBhenaya unyana kaYehoyada; waba negama ke kumagorha lawo mathathu.

23Ubezukile kunamashumi amathathu lawo; kodwa akafikanga kwabaya bathathu. UDavide wammisa ephakathini lakhe.

24UAsaheli, umninawa kaYowabhi, ebengomnye kumashumi amathathu lawo; nguElihanan unyana kaDodayi waseBhetelehem;

25nguShama waseHarodi; nguElika waseHarodi;

26nguHeletse wasePeleti; nguIra unyana kaIkeshe waseTekowa;

27nguAbhiyezere waseAnatoti;

28nguMebhunayi umHusha; nguTsalimon umAhowa; nguMaharayi waseNetofa;

29nguHelebhe, unyana kaBhahana waseNetofa; nguItayi, unyana kaRibhayi, waseGibheha yoonyana bakaBhenjamin;

30nguBhenaya wasePiraton; nguHidayi wasezihlanjeni zaseGahashe;

31nguAbhihalebhon waseArabha; nguAzemavete waseBhahurim;

© 1975 Bible Society of South Africa.

32nguEliyabha waseShahalebhon; nguBhene-yashen; nguYonatan; nguShama umHarari;

33nguAhiyam, unyana kaSharare umArari;

34nguElifelete unyana ka-Ahasebhayi, unyana wowaseMahaka; nguEliyam unyana ka-Ahitofele, waseGilo;

35nguHetsero waseKarmele; nguPaharayi waseArbhi;

36nguIgali unyana kaNatan waseTsobha;

37nguBhani wakwaGadi; nguTseleke umAmon; nguNaharayi waseBheroti, umphathi weentonga zikaYowabhi unyana kaTseruya;

38nguIra umItri; nguGarebhe umItri;

39ngu-Uriya umHeti; bebonke bangamashumi omathathu anesixhenxe.

USamuweli II 24

Ubalo lwabantu nesohlwayo salo

1Ke kaloku wabuya wavutha umsindo kaYehova kumaSirayeli, wamxhokonxela uDavide kuwo, esithi, Yiya, uwabale amaSirayeli namaYuda.

2Wathi ke ukumkani kuYowabhi, umthetheli-mpi obenaye, Khawutyhutyhe ezizweni zonke zakwaSirayeli, uthabathela kwaDan use eBher-shebha, nibabale abantu, ndilazi inani labantu.

3Wathi uYowabhi kukumkani, Makongeze ke uYehova uThixo wakho ebantwini izihlandlo ezilikhulu, bengangoko bangako, abone namehlo enkosi yam ukumkani; ke yini na ukuba inkosi yam ukumkani iyifune le nto?

4Laqina ilizwi lokumkani kuYowabhi nakubathetheli-mpi. Waphuma ke uYowabhi nabathetheli-mpi phambi kokumkani, baya kubabala abantu bakwaSirayeli.

5Bawela eYordan, bamisa eArohere, ngasekunene komzi ophakathi kwesihlambo sakwaGadi naseYazere;

6baya eGiliyadi nasezweni laseTatim-hodeshe, baya nakwaDan-yahan, bajikelezela kowakwaTsidon;

7baya nasenqabeni yaseTire, nasemizini yonke yamaHivi neyamaKanan; baya baphuma kwelisezantsi lakwaYuda eBher-shebha.

8Balityhutyha ke lonke ilizwe, beza eYerusalem ekupheleni kweenyanga ezisithoba ezineentsuku ezimashumi mabini.

9UYowabhi wamnika ke ukumkani inani lokubalwa kwabantu: aza amaSirayeli aba ngamakhulu asibhozo amawaka amadoda anobukroti, arhola ikrele; amadoda akwaYuda aba ngamakhulu amahlanu amawaka amadoda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Yakhathazeka intliziyo kaDavide emveni kokuba ebabalile abantu. Wathi uDavide
kuYehova, Ndonile kunene ngale nto ndiyenzileyo; kaloku khawubukhwelelise,
Yehova, ubugwenxa bomkhonzi wakho; ngokuba ndenzé ngobudenge obukhulu.

11Wavuka kusasa uDavide; ilizwi likaYehova lafika kuGadi umprofeti, imboni
kaDavide, lisithi,

12Yiya uthethe kuDavide, uthi, Útsho uYehova ukuthi, Ndikumisela izinto ezintathu;
zinyulele ibe nye kuzo, ndiyenze kuwe.

13Waya ke uGadi kuDavide, wamxelela, wathi kuye, Uzèlwe sisixhenxe seminyaka
yendlala ezweni lakho na? Usábe phambi kweentshaba zakho iinyanga zibe ntathu,
zikusukela, kusini na? Kúbekho indyikitya yokufa iimini ezintathu ezweni lakho, kusini
na? Yazi ngoku, úlenze ilizwi endombuyisela lona ondithumileyo.

14Wathi uDavide kuGadi, Ndididekile kunene. Masesisiwa esandleni sikaYehova;
ngokuba ininzi imfesane yakhe; mandingaweli esandleni somntu.

15UYehova wathoba ke indyikitya yokufa kwaSirayeli, yathabathela ekuseni yesa
kwixa lentlanganiso; kwafa ebantwini, bethabathela kwaDan bese eBher-shebha,
amashumi asixhenxe amawaka amadoda.

16Saza isithunywa sesa isandla saso kwiYerusalem, ukuba siyitshabalalise;
wazohlwaya uYehova ngenxa yobubi obo, wathi kwisithunywa eso sìtshabalalisa
abantu, Kwanele; sithobe kaloku isandla sakho. Ke kaloku isithunywa sikaYehova
besisesandéni sika-Aravena umYebhusi.

17Wathetha uDavide kuYehova akusibona isithunywa eso sibetha ebantwini, wathi,
Ùyabona, ndonile mna, ndenzé ngobugwenxa mna; umhlambi lo wona wenzé ntoni
na? Isandla sakho masibe phezu kwam nendlu kabawo.

18Waya ke uGadi kuDavide ngaloo mini, wathi kuye, Nyuka, uye ummisele uYehova
isibingelelo esandéni sika-Aravena umYebhusi.

19Wenyuka uDavide ngokwelizwi likaGadi, njengoko uYehova abemwisele umthetho
ngako.

20Walunguza uAravena, wambona ukumkani nabakhonzi bakhe besiza kuye.
Waphuma uAravena, waqubuda kukumkani ngobuso emhlabeni.

21Wathi uAravena, Izelani na inkosi yam ukumkani kumkhonzi wayo? Wathi uDavide,
Ndiza kuthenga isandá kuwe, ukuba ndakhele uYehova isibingelelo, sithintelwe
isibetho ebantwini.

22Wathi uAravena kuDavide, Mayithabathe inkosi yam ukumkani, inyuse
okulungileyo emehlweni ayo. Nanzi iinkomo zedini elinyukayo, neempahla zokubhula
needyokhwe zeenkomo zokuba ziinkuni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Zonke ezi zinto, kumkani, uAravena uzinika ukumkani. Wathi uAravena kukumkani,
uYehova uThixo wakho makakholiswe nguwe.

24Wathi ukumkani kuAravena, Hayi, ndiya kusithenga ngexabiso kuwe; andiyi
kunyusa ndise kuYehova uThixo wam amadini anyukayo endiwazuze ngelizé.
Wasithenga ke uDavide isandá neenkomo ezo ngeeshekele zesilivere ezimashumi
mahlanu.

25Wakhela apho ke uDavide isibingelelo kuYehova, wanyusa amadini anyukayo
nemibingelelo yoxolo. Wathandazeka ke uYehova ngenxa yelizwe; sathintelwa
isibetho kumaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

OoKumkani I

OoKumkani I 1

Imihla yokugqibela yokumkani uDavide nokumiswa kukaSolomon

1Ke kaloku ukumkani uDavide ubeseleyindoda enkulu, ehambisekile ebudaleni;
bamgubungela ngeengubo, akaba nakufudumala noko.

2Bathi abakhonzi bakhe kuye, Inkosi yethu ukumkani mayifunelwe inkakazana
eseyintombi, ime phambi kokumkani, imonge, ilale esifubeni sakhe, ifudumale inkosi
yethu ukumkani.

3Bafuna ke intombi eyinzwakazi emideni yonke yakwaSirayeli, bafumana uAbhishagi
waseShunem, bamzisa kukumkani.

4Inkakazana leyo yayiyinzwakazi encamisileyo, yamonga ukumkani, yamlungiselela;
ukumkani akayazi.

5Waza uAdoniya unyana kaHagiti waziphakamisa, wathi, Ndiya kuba ngukumkani.
Wazenzela iinqwelo zokulwa, nabamahashe, namadoda angamashumi omahlanu
okutshayelela phambi kwakhe.

6Uyise ebengamenzanga buhlungu nemini enye ngokuthi, Yini na ukuba wenjenje?
Kananjalo ubengumfo osiqu sihle; unina wamzala emva koAbhisalom.

7Wacebisana noYowabhi, unyana kaTseruya, noAbhiyatare umbingeleli; bancedisa,
balandela uAdoniya.

8Ke bona ooTsadoki umbingeleli, noBhenaya unyana kaYehoyada, noNatan
umprofeti, noShimehi, noRehi, namagorha abe kuDavide, ababanga ngakuAdoniya.

9UAdoniya wabingelela impahla emfutshane neenkomo ezityetyisiweyo ngasetyeni
laseZohelete, elisecaleni le-En-rogele; wamema bonke abazalwana bakhe, oonyana
bokumkani, namadoda onke akwaYuda, abakhonzi bokumkani.

10Ke bona ooNatan umprofeti, noBhenaya, namagorha, noSolomon umkhuluwa
wakhe, akabamema.

11Wathetha uNatan kuBhatshebha, unina kaSolomon, wathi, Akuvanga na ukuba
uAdoniya, unyana kaHagiti, ungukumkani; ukanti inkosi yethu uDavide ayiyazi loo
nto?

12Yiza ke ngoko, ndikuphe iqhinga, usize umphefumlo wakho, nomphefumlo
wonyana wakho uSolomon.

13Hamba uye kukumkani uDavide, uthi kuye, Wawungamfungelanga na
umkhonzazana wakho, wena nkosi yam, kumkani, wathi, USolomon unyana wakho
uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena etroneni yam? Kungani na ke
ukuba abe ngukumkani uAdoniya?

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Uyabona, ndothi, usathetha apho nokumkani, ndingene nam emva kwakho, ndiwazalise amawzi akho.

15Waya ke uBhatshebha kukumkani egumbini; ke ukumkani ubeseleyindoda enkulu kunene: uAbhishagi waseShunem ubelungiselela ukumkani.

16Wathoba uBhatshebha, waqubuda kukumkani. Wathi ukumkani, Ùnga ntoni na?

17Wathi yena kuye, Nkosi yam, wena wamfungela uYehova uThixo wakho umkhonzazana wakho, wathi, USolomon unyana wakho uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena etroneni yam.

18Kaloku nanku inguAdoniya ukumkani; kanti àkwazi wena, nkosi yam kumkani.

19Úbingeléle iinkomo nezinto ezityetyisiweyo, nempahla emfutshane yaninzi, wamema bonke oonyana bokumkani, noAbhiyatare umbingeleli, noYowabhi umthetheli-mkhosi; àkammema ke yena uSolomon umkhonzi wakho.

20Wena, nkosi yam kumkani, amehlo amaSirayeli onke akuwe, ukuba uwaxelele, ukuba kuhlale bani na etroneni yenkosi yam ukumkani emveni kwayo.

21Kothi, xa ithe yalala kooyise inkosi yam ukumkani, sibe ngaboni, thina noSolomon unyana wam.

22Uthe esathetha nokumkani, nanko kufika uNatan umprofeti.

23Waxelelwa ukumkani, kwathiwa, Nanku uNatan umprofeti. Wafika ke phambi kokumkani, waqubuda kukumkani ngobuso emhlabeni;

24wathi uNatan, Nkosi yam kumkani, ùtshilo na wena ukuthi, UAdoniya uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena etroneni yam?

25Ngokuba úhlile namhlanje, wabingelela iinkomo nezinto ezityetyisiweyo, nempahla emfutshane yaninzi, wamema bonke oonyana bokumkani, nabathetheli-mkhosi, noAbhiyatare umbingeleli; nabo ke besidla besela phambi kwakhe, besithi, Makadle ubomi ukumkani uAdoniya.

26Ke akandimemanga mna mkhonzi wakho, noTsadoki umbingeleli, noBhenyana unyana kaYehoyada, noSolomon umkhonzi wakho.

27Ingába ivela kwinkosi yam ukumkani na le nto, waza àkwabazísa abakhonzi bakho oya kuhlala etroneni yenkosi yam ukumkani emveni kwayo?

28Waphendula ukumkani uDavide, wathi, Bizani uBhatshebha eze kum. Weza ke phambi kokumkani, wema phambi kokumkani.

29Wafunga ukumkani, wathi, Ehleli nje uYehova, owawukhululayo umphefumlo wam ekubandezelekeni konke;

© 1975 Bible Society of South Africa.

30inene, njengoko ndakufungela uYehova uThixo kaSirayeli, ndisithi, USolomon
unyana wakho uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena etroneni yam
esikhundleni sam: inene, ndiya kwenjenjalo namhla.

31Wathoba ke uBhatshebha ngobuso emhlabeni, waqubuda kukumkani, wathi,
Mayidle ubomi inkosi yam, ukumkani uDavide, ngonaphakade.

32Wathi ukumkani uDavide, Babizeni beze kum apha uTsadoki umbingeleli, noNatan
umprofeti, noBhenaya unyana kaYehoyada. Beza ke phambi kokumkani.

33Wathi ukumkani kubo, Thabathani abakhonzi benkosi yenu, bahambe nani,
nikhwelise uSolomon unyana wam kowam undlebende, nihle naye niye eGihon;

34bámthambisele khona ooTsadoki umbingeleli noNatan umprofeti, abe ngukumkani
kumaSirayeli; nivuthele izigodlo, nithi, Makadle ubomi ukumkani uSolomon.

35Nize ninyuke, nimlandele; eze ahlale etroneni yam; abe ngukumkani yena
esikhundleni sam. Ndimmisile ukuba abe yingànga kumaSirayeli nakumaYuda.

36Waphendula uBhenaya unyana kaYehoyada, wathi kukumkani, Amen; makatsho
uYehova uThixo wenkosi yam ukumkani.

37Njengokuba uYehova wayenenkosi yam ukumkani, ngokunjalo uya kuba
noSolomon, ayikhulise itrone yakhe ngaphezu kwetrone yenkosi yam ukumkani
uDavide.

38Wehla ke uTsadoki umbingeleli, noNatan umprofeti, noBhenaya unyana
kaYehoyada, nabancinithi, nezigidimi; bamkhwelisa uSolomon kundlebende
wokumkani uDavide, baya naye eGihon.

39UTsadoki umbingeleli wathabatha isigodlo seoli ententeni, wamthambisa
uSolomon, wavuthela izigodlo, bathi bonke abantu, Makadle ubomi ukumkani
uSolomon!

40Benyuka bonke abantu, bamlandela, abantu bebetha ugwali, bevuya ngemivuyo
emikhulu; wathi ndí umhlaba ngesandi sabo.

41Beva ooAdoniya nabamenywa bakhe bonke, bakukhova ukudla. Wasiva uYowabhi
isandi sesigodlo, wathi, Sesaní na esi sandi sizamazamisa isixeko?

42Uthe esathetha, nanko kufika uYonatan unyana ka-Abhiyatare umbingeleli. Wathi
uAdoniya, Ngena, ngokuba ùngumfo onesidima, uza neendaba ezilungileyo.

43Waphendula uYonatan, wathi kuAdoniya, Hayi, inkosi yethu ukumkani uDavide
imenze ukumkani uSolomon.

44Ukumkani umkhuphe noTsadoki umbingeleli, noNatan umprofeti, noBhenaya
unyana kaYehoyada, nabancinithi, nezigidimi, bamkhwelisa kundlebende
wokumkani;

© 1975 Bible Society of South Africa.

45ooTsadoki umbingeleli noNatan umprofeti bamthambisa ukuba abe ngukumkani eGihon. Benyuka, besuka apho bevuya, sazamazama ke isixeko. Siso ke eso esi sandi nisivayo.

46Kananjalo uSolomon uselehleli etroneni yobukumkani.

47Kananjalo bafikile abakhonzi bokumkani, beza kubonga inkosi yethu, ukumkani uDavide, bathi, UThixo wakho makalilungise igama likaSolomon ngaphezu kwegama lakho, ayikhulise itrone yakhe ngaphezu kwetrone yakho; waqubuda ukumkani esililini.

48Kananjalo wenjenje ukumkani ukuthetha, wathi, Makabongwe uYehova, uThixo kaSirayeli, ondinikileyo namhla owokuhlala etroneni yam, esabona nje amehlo am.

49Bothuka ke bonke abamenywa baka-Adoniya, besuka, bahamba elowo indlela yakhe.

50Woyika uAdoniya ebusweni bukaSolomon, wesuka, waya wabambelela ezimpondweni zesibingelelo.

51Waxelelwa uSolomon, kwathiwa, Nanko uAdoniya esoyika ukumkani uSolomon; nanko ebambelele ezimpondweni zesibingelelo, esithi, Makandifungele namhlanje ukumkani uSolomon, athi, akayi kumbulala ngekrele umkhonzi wakhe.

52Wathi ke uSolomon, Ukuba úthe wangumfo onesidima, akusayi kuwa lunwele lwakhe emhlabeni; ke ukuba kuthe kwafunyanwa ububi kuye, úya kufa.

53Wathumela ukumkani uSolomon, bamhlisa esibingelelweni; waya waqubuda kukumkani uSolomon. Wathi uSolomon kuye, Hamba ugoduke.

OoKumkani I 2

Ukufa kukaDavide

1Yasondela imihla kaDavide yokuba afe; wamwisela umthetho uSolomon unyana wakhe, wathi,

2Ndihamba indlela yehlabathi lonke; yomelela ke ube yindoda,

3ugciné isigxina sikaYehova uThixo wakho, uhambe ngeendlela zakhe, ugcine imimiselo yakhe, nemithetho yakhe, namasiko akhe, nezingqino zakhe, njengoko kubhaliweyo emyalelweni kaMoses, ukuze ube nengqiqo ezintweni zonke othe wazenza, nasezintweni zonke othe wasinga kuzo;

4ukuze alimise uYehova ilizwi lakhe awalithethayo ngam, esithi, Ukuba bathe oonyana bakho bayigcina indlela yabo, ukuba bahambe phambi kwam enyanisweni ngentliziyo yabo yonke, nangomphefumlo wabo wonke, (esithi) akuyi kunqunyukelwa ndoda etroneni yakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Kananjalo wena ùya kwazi awakwenzáyo kum uYowabhi unyana kaTseruya, awakwenzayo kubathetheli ababini bemikhosi yakwaSirayeli, kuAbhinere unyana kaNere, nakuAmasa unyana kaYetere, awababulalayo, waphalaza amagazi emfazwe, lixolile, wabeka amagazi emfazwe embhinqweni wakhe obusesinqeni sakhe, nasezimbadadeni zakhe ezisezinyaweni.

6Yènza ngokobulumko bakho, zingehli izimvi zakhe ziye kwelabafileyo enoxolo.

7Ke koonyana bakaBharzilayi waseGiliyadi, uze wenze ngenceba, babe kwabadla etafileni yakho; ngokuba benjenjalo ukuza kum ekusabeni kwam ebusweni buka-Abhisalom, umkhuluwa wakho.

8Ùyabona, únawe uShimehi unyana kaGera, umBhenjamin, waseBhahurim; yena wanditshabhisa ngotshabhiso olukhulu, mini ndaya eMahanayim. Yena ke wehla weza kundikhawulela eYordan, ndamfungela uYehova, ndathi, Andiyi kukubulala ngekrele.

9Ngoko uze ungamenzi omsulwa, ngokuba ùyindoda elumkileyo wena; uze ukwazi oko uya kukwenza kuye; uzihlisele kwelabafileyo zinegazi izimvi zakhe.

10Walala ke uDavide kooyise, wangcwatyelwa emzini kaDavide.

11Ke imihla abengukumkani kumaSirayeli uDavide ibingamashumi omané eminyaka; eHebron wayengukumkani iminyaka esixhenxe; eYerusalem wayengukumkani iminyaka emashumi mathathu anamithathu.

12Wahlala ke uSolomon etroneni kaDavide uyise; baqiniseka kunene ubukumkani bakhe.

Ukubulawa kuka-Adoniya noYowabhi nokuzinziswa kwegunya likaSolomon

13Ke kaloku waya uAdoniya, unyana kaHagiti, kuBhatshebha unina kaSolomon. Wathi yena, Ùza ngoxolo na? Wathi, Ngoxolo.

14Wathi, Ndinelizwi nawe.

15Wathi, Thetha. Wathi, Ùyazi wena ukuba bebubobam ubukumkani, abe ebubhekise kum ubuso bawo onke amaSirayeli, ukuba ndibe ngukumkani. Bathi guqugu ubukumkani, baba bobomninawa wam; ngokuba baba bobakhe, buphuma kuYehova.

16Kungokunje ndicela nto-nye kuwe, uze ungandilanduleli.

17Wathi kuye, Thetha. Wathi ke, Khawuthethe noSolomon ukumkani, ngokuba akayi kukulandulela, andinike uAbhishagi waseShunem, abe ngumkam.

18Wathi uBhatshebha, Kulungile, ndokuthethelela kukumkani.

19Waya ke uBhatshebha kukumkani uSolomon, ukuba athethe naye ngoAdoniya. Wesuka ukumkani waya kumkhawulela, waqubuda kuye, wahlala etroneni yakhe, wammisela itrone unina wokumkani, wahlala ke ngasekunene kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Wathi, Ndicela nto-nye kuwe; ùze ungandilanduleli. Wathi ke ukumkani kuye, Cela, ma, ngokuba andiyi kukulandulela.

21Wathi yena, UAbhishagi waseShunem makanikwe uAdoniya, umkhuluwa wakho, abe ngumkakhe.

22Waphendula ukumkani uSolomon, wathi kunina, Yini na ukuba uAdoniya umcelele uAbhishagi waseShunem? Sewumcelela nobukumkani, ngokuba ungumkhuluwa wam; ucélele yena, noAbhiyatare umbingeleli, noYowabhi unyana kaTseruya.

23Ukumkani uSolomon wafunga uYehova, wathi, Makenjenje uThixo kum, aqokele ukwenjenje, ukuba uAdoniya akalithethanga elo lizwi elahla umphefumlo wakhe.

24Ngoko, ehleli nje uYehova, ondiqinisileyo, wandihlalisa etroneni kaDavide ubawo, wandenzela indlu njengoko wakuthetháyo, úya kubulawa namhlanje uAdoniya.

25Ukumkani uSolomon wathumela ke ngoBhenaya unyana kaYehoyada; wamgwaza, wafa.

26NakuAbhiyatare umbingeleli wathi ukumkani, Hamba uye eAnatoti, emhlabeni wakho; ngokuba ungumfo wokufa; ke andiyi kukubulala ngale mini; ngokuba wayithwala ityeya yeNkosi uYehova phambi koDavide ubawo, nangokuba ubucinezelwe kuko konke abecinezelwe kuko ubawo.

27USolomon wamgxotha uAbhiyatare ekubeni ngumbingeleli kaYehova; ukuze alizalise ilizwi likaYehova, awalithethayo ngendlu kaEli eShilo.

28Lwafika olu daba kuYowabhi; ngokuba uYowabhi wayethelele kuAdoniya, noko wayengathelelanga kuAbhisalom. UYowabhi wasabela ententeni kaYehova, wabambelela ezimpondweni zesibingelelo.

29Waxelelwa ukumkani uSolomon, ukuba uYowabhi usabele ententeni kaYehova; nanko ecaleni lesibingelelo. USolomon wathuma uBhenaya unyana kaYehoyada, wathi, Yiya umgwaze.

30Waya uBhenaya ententeni kaYehova, wathi kuye, Uthi ukumkani, Phuma. Wathi yena, Hayi; ndiya kufela apha. UBhenaya wambuyisela ukumkani ilizwi, esithi, Wenjenje ukuthetha uYowabhi, wenjenje ukundiphendula.

31Wathi ukumkani kuye, Yenza njengoko athethe ngako, umgwaze, umngcwabe, uwasuse kum nakwindlu kabawo amagazi amsulwa, awawaphalazayo uYowabhi.

32UYehova wolibuyisela entlokweni yakhe igazi lakhe, owawela amadoda amabini angamalungisa, alungileyo kunaye, wawabulala ngekrele, engazi ubawo uDavide, angooAbhinere unyana kaNere, umthetheli-mkhosi wakwaSirayeli, noAmasa unyana kaYetere, umthetheli-mkhosi wakwaYuda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Obuyela amagazi awo entlokweni kaYowabhi, nasentlokweni yembewu yakhe
ngonaphakade; kuDavide, nakwimbewu yakhe, nakwindlu yakhe, nakwitrone yakhe,
ibe luxolo olungunaphakade, luvela kuYehova.

34Wenyuka ke uBhenaya unyana kaYehoyada, wamgwaza, wambulala;
wangcwatyelwa endlwini yakhe entlango.

35Ukumkani wamisa uBhenaya, unyana kaYehoyada, esikhundleni sakhe phezu
komkhosi; ukumkani wamisa uTsadoki umbingeleli esikhundleni sika-Abhiyatare.

36Wathumela ukumkani, wabiza uShimehi, wathi kuye, Zakhele indlu eYerusalem,
uhlale khona, ungaphumi khona, uye phi naphi;

37kothi, mini uthe waphuma, wawela umlanjana oyiKidron, wazi inene ukuba uya
kufa; igazi lakho loba phezu kwentloko yakho.

38Wathi uShimehi kukumkani, Lilungile elo lizwi; njengoko ithethe ngako inkosi yam
ukumkani, úya kwenjenjalo umkhonzi wakho. Wahlala ke uShimehi eYerusalem
imihla emininzi.

39Kwathi ekupheleni kweminyaka emithathu, kwazímela izicaka ezibini zikaShimehi,
zaya kuAkishe unyana kaMahaka, ukumkani waseGati. Waxelelwa uShimehi,
kwathiwa, Yabona, izicaka zakho ziseGati.

40Wesuka uShimehi, wabopha iesile lakhe, waya eGati kuAkishe, efuna izicaka zakhe
ezo; uShimehi waya eGati, weza nazo izicaka zakhe.

41Waxelelwa uSolomon, ukuba uShimehi uphumile eYerusalem, waya eGati wabuya.

42Wathumela ke ukumkani, wambiza uShimehi, wathi kuye, Bendingakufungise
uYehova yini na, ndakuqonononondisa, nditsithi, Mini uthe waphuma waya phi naphi,
yazi inene ukuba ùya kufa? Wathi ke wena kum, Lilungile elo lizwi, ndilivile.

43Kungani na ke ukuba ungasigcini isifungo sikaYehova, nomthetho endakuwiselayo?

44Wathi ukumkani kuShimehi, Uyabazi wena bonke ububi obaziwa yintliziyo yakho,
owabenzayo kuDavide ubawo; úya bubuyisela uYehova ububi bakho kwasentlokweni
yakho;

45asikelelwe ukumkani uSolomon, iqiniseke itrone kaDavide phambi koYehova, kude
kuse ephakadeni.

46Ukumkani wamwisela ke umthetho uBhenaya unyana kaYehoyada; waphuma
wamgwaza, wafa. Ubukumkani baqiniseka esandleni sikaSolomon.

OoKumkani I 3

USolomon unyula ubulumko

© 1975 Bible Society of South Africa.

1USolomon ke wákha ubuhlobo noFaro ukumkani wamaYiputa; wazeka intombi
kaFaro, wayizisa emzini kaDavide, wada wayigqiba ukuyakha indlu yakhe, nendlu
kaYehova, nodonga lwaseYerusalem ngeenxa zonke.

2Kodwa ke abantu babebingelela ezigangeni; ngokuba belingekakhelwa ndlu igama
likaYehova, kwada kwayiloo mihla.

3USolomon ubemthanda uYehova, ehamba emimiselweni kaDavide uyise; kodwa ke
ubebingelela eqhumisela ezigangeni yena.

4Ukumkani ubesiya eGibheyon, ukuba abingelele khona; ngokuba ibisiso isigánga
esikhulu; uSolomon wenyusa iwaka lamadini anyukayo kweso sibingelelo.

5UYehova wabonakala kuSolomon eGibheyon apho ngephupha ebusuku, wathi
uThixo, Cela into, ndikuphe.

6Wathi uSolomon, Wena wenza inceba enkulu kumkhonzi wakho uDavide ubawo,
njengoko abehamba phambi kwakho enyanisweni, nasebulungiseni, nangokuthi tye
kwentliziyo kuwe, wamgcinela le nceba inkulu, wamnika unyana ohleli etroneni
yakhe, njengokuba kunjalo namhla.

7Kaloku, Yehova Thixo wam, wena umenzé umkhonzi wakho lo wangukumkani
esikhundleni sikaDavide ubawo; ndingumntwana omncinane; andikwazi ukuphuma
nokungena.

8Umkhonzi wakho lo uphakathi kwabantu bakho obanyulileyo, abantu abaninzi,
abangenakubalwa, abangenakuxelwa ukuba baninzi.

9Mnike umkhonzi wakho intliziyo evayo, yokubalawula abantu bakho, ahlule
phakathi kokulungileyo nokungendawo; ngokuba ngubani na onako ukubalawula
abantu bakho aba bangaka?

10Lalunga elo lizwi emehlweni eNkosi ukuba uSolomon acele loo nto.

11Wathi ke uThixo kuye, Ngenxa enokuba ucelé le nto, akwazicelela imihla emininzi,
akwazicelela ubutyebi, akwazicelela ubomi beentshaba zakho, wazicelela ukuqonda
ukuba uwathethe amatyala: uya bona, ndenzé ngokwelizwi lakho.

12Uyabona, ndikunikile intliziyo enobulumko enokuqonda, ekungabangakho
unjengawe phambi kwakho, ekungayi kuvela unjengawe emva kwakho.

13Kananjalo oko ungàkucelanga ndikunikile nako, kwaubutyebi nozuko, ukuba
kungabikho mntu unjengawe phakathi kookumkani yonke imihla yakho.

14Ke ukuba uthe wahamba ngeendlela zam, ngokuyigcina imimiselo yam nemithetho
yam, njengoko wahamba ngako uDavide uyihlo, ndoyolula imihla yakho.

15Wavuka uSolomon, O! liphupha. Waya ke eYerusalem, wema phambi kwetyeya
yomnqophiso kaYehova, wenyusa amadini anyukayo, wenza imibingelelo yokubulela,
wabenzela isidlo abakhonzi bakhe bonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ngelo xesha kweza kukumkani amankazana amabini angamahenyukazi, ema phambi kwakhe.

17Yathi enye inkazana, Camagu, nkosi yam! Thina nale nkazana sihlala ndlwini-nye; ndazala, ndinayo kuloo ndlu.

18Kwathi ngosuku lwesithathu ndizele, yazala nayo le nkazana, sindawonye ke; kwaye kungekho mntu wasemzini unathi kuloo ndlu, sisodwa thina sobabini kuloo ndlu.

19Wafa unyana wale nkazana ebusuku, ngokusuka ilale phezu kwakhe.

20Yavuka phakathi kobusuku, yamthabatha unyana wam ecaleni lam, elele umkhonzazana wakho lo, yamlalisa esifubeni sayo, yathi unyana wayo ofileyo yamlalisa esifubeni sam.

21Ndavuka kusasa, ukuba ndimanyise unyana wam, O! ufile; ndaza ndamgqala kusasa, yini le, asingunyana wam endamzalayo.

22Yathi enye inkazana, Hayi, ngunyana wam lo uhleliyo, unyana wakho ngulowa ufileyo. Yathi le, Hayi; unyana wakho ngulowa ufileyo, unyana wam ngulo uhleliyo. Benjenjalo ukuthetha phambi kokumkani.

23Wathi ukumkani, Le ithi, Ngunyana wam lo uhleliyo, unyana wakho ngulowa ufileyo; leya ithi, Hayi, unyana wakho ngulowa ufileyo, ngunyana wam lo uhleliyo.

24Wathi ukumkani, Ndithabatheleni ikrele. Balizisa ke ikrele phambi kokumkani.

25Wathi ukumkani, Mcandeni kubini lo mntwana uhleliyo, niyinike isahlulo enye, niyinike isahlulo enye.

26Yathetha le nkazana, ungowayo unyana ohleliyo, kukumkani (ngokuba ibisikwa yimfesane ngonyana wayo), yathi, Camagu, nkosi yam, seniyinika lo mntwana uhleliyo; musani ukumbulala afe. Ke enye le yathi, Makangabi ngowam, makangabi ngowakhe; mcandeni.

27Waphendula ukumkani, wathi, Mnikeni leya umntwana ohleliyo, ningàmbulali; nguye unina.

28Asiva onke amaSirayeli isigwebo agwebé ngaso ukumkani; amoyika ukumkani; ngokuba ayebona ukuba ubulumko bukaThixo buphakathi kwakhe, ukuba enze isigwebo.

OoKumkani I 4

Amagosa nenkundla kaSolomon

1Ukumkani uSolomon waba ngukumkani wamaSirayeli onke.

2Ngabo aba ke abathetheli abenabo: nguAzariya, unyana kaTsadoki, umbingeleli;

© 1975 Bible Society of South Africa.

3ngooElihorefe noAhiya, oonyana bakaShisha, ababhali; nguYehoshafati, unyana ka-
Ahiludi, umkhumbuzi wezinto zakomkhulu;

4nguBhenaya, unyana kaYehoyada, obephethe umkhosi; ngooTsadoki noAbhiyatare
ababingeleli;

5nguAzariya, unyana kaNatan, obephethe abongameli; nguZabhudi, unyana kaNatan,
umbingeleli, obengumhlobo wokumkani;

6nguAhishare obephethe indlu; nguAdoniram unyana ka-Abheda, obephethe
abafakwa uviko.

7USolomon ubenabongameli abalishumi elinababini phezu kwamaSirayeli onke,
ababemxhasa ukumkani nendlu yakhe: elowo ubexhasa ngenyanga yakhe
ngomnyaka.

8Ngawo ke la amagama abo: nguBhen-hure, wakweleentaba lakwaEfrayim;

9nguBhen-dekere eMakatse, naseShahalebhim, naseBhete-shemeshe, nase-Elon-
bhete-hanan;

10nguBhen-hesede eArubhoti; yayikuye iSoko, nelizwe lonke lakwaHefere;

11nguBhen-abhinadabhi ezindulini zonke zaseDore: uTafati intombi kaSolomon
ibingumkakhe;

12nguBhahana unyana ka-Ahiludi eTahanaki naseMegido, naseBhete-shehan yonke
esecaleni laseTsaretan, ezantsi kweYizereli, kwathabathela eBhete-shehan, kwesa
eAbhele-mehola, kwesa elé kowakwaYokemeham;

13nguBhen-gebhere eRamoti yaseGiliyadi, enamagxamesi akwaYahire unyana
kaManase aseGiliyadi, enommandla waseArgobhi oseBhashan: amashumi
amathandathu emizi emikhulu eneendonga nemivalo yobhedu;

14nguAhinadabhi unyana kaIdo, eMahanayim;

15nguAhimahatse kwaNafetali: yena kananjalo wazeka uBhasemati, intombi
kaSolomon, yangumkakhe;

16nguBhahana unyana kaHushayi, kwa-Ashere naseAloti;

17nguYehoshafati unyana kaParuwa, kwaIsakare;

18nguShimehi unyana kaEla, kwaBhenjamin;

19nguBebhere unyana kaUri, elizweni laseGiliyadi, ezweni lakwaSihon ukumkani
wama-Amori, nelakwaOgi ukumkani waseBhashan; ekuphela komongameli
obekwelo zwe.

20AmaYuda namaSirayeli ebemaninzi, enjengentlabathi engaselwandle ukuba
maninzi, esidla, esela, evuya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21USolomon ubelawula ezikumkanini zonke, ethabathela kuwo uMlambo, naselizweni lamaFilisti, wesa nasemdeni weYiputa, zizisa iminikelo, zimkhonza uSolomon yonke imihla yobomi bakhe.

22Ke ukudla kukaSolomon kwamininye bekungamashumi omathathu eekore zomgubo ocoliweyo, namashumi omathandathu eekore zomgubo,

23ishumi leenkomo ezityetyisiweyo, namashumi omabini eenkomo zasemadlelweni, nekhulu lempahla emfutshane, ewodwa amaxhama, namabhadi, namanqa, neenkuku ezityetyisiweyo.

24Ngokuba ubenobukhosi kulo lonke eliphesheya kwawo uMlambo, lithabathela eTifesa lesa eGaza, kookumkani bonke abaphesheya koMlambo. Wayenoxolo ngeenxa zonke kuye.

25Ahlala amaYuda namaSirayeli ekholosile, elowo ehleli phantsi komdiliya wakhe naphantsi komkhiwane wakhe, ethabathela kwaDan esa eBher-shebha, yonke imihla kaSolomon.

26USolomon wayenamawaka amané emikhumbi yezitali zamahashe eenqwelo zakhe, neshumi elinamabini lamawaka amahashe akhwelwayo.

27Abo bongameli babemxhasa ukumkani uSolomon, nabo bonke abasondela etafileni yokumkani uSolomon, elowo exhasa ngenyanga yakhe; bekungasweleki nto.

28Irhasi, nomququ wamahashe, nowamahashe aziimbaleki, babeyizisa endaweni apho ibifanele ukuba khona, elowo njengokumiselwa kwakhe.

29UThixo wamnika ke uSolomon ubulumko nengqondo ngokuninzi kunene, nobubanzi bentliziyo, njengentlabathi eselunxwemeni lolwandle.

30Ubulumko bukaSolomon bebubuninzi ngaphezu kobulumko boonyana bonke basempumalanga, naphezu kobulumko bonke bamaYiputa.

31Ubelumkile ngaphezu kwabantu bonke, ngaphezu koEtan umEzera, noHeman, noKalekole, noDarda, oonyana bakaMaholi. Igama lakhe belisezintlangeni zonke ngeenxa zonke.

32Wathetha amawaka amathathu emizekeliso; zathi neengoma zakhe zaliwaka elinantlanu.

33Wathetha ngemithi, ethabathela kumsedare waseLebhanon, ase nakwihisope ephuma eludongeni; wathetha nangeenkomo, nangeentaka, nangezinambuzane, nangeentlanzi.

34Baye bevela ezintlangeni zonke, besiza kuva ubulumko bukaSolomon bevela kookumkani bonke bomhlaba, ababebuvile ubulumko bakhe.

OoKumkani I 5

© 1975 Bible Society of South Africa.

Imvumelano kaSolomon noHiram ukumkani waseTire

1Wathuma ke uHiram, ukumkani waseTire, abakhonzi bakhe kuSolomon; kuba ubevile ukuba uthanjisiwe ukuba abe ngukumkani, esikhundleni sikayise; ngokuba uHiram ubehleli emthanda uDavide yonke imihla.

2Wathumela uSolomon kuHiram, esithi,

3Ùyazi wena ukuba uDavide ubawo ubengenako ukulakhela igama likaYehova uThixo wakhe indlu, ngenxa yeentshaba ezibe zimjikelezile, wada uYehova wazibeka ngaphantsi kweentende zeenyawo zakhe.

4Kaloku ke úndiphumzile uYehova, uThixo wam, ngeenxa zonke; akukho lutshaba, akukho sihlo sibi.

5Uyabona, ndithi ndiza kulakhela indlu igama likaYehova uThixo wam, njengoko wakuthethayo uYehova kuDavide ubawo, esithi, Unyana wakho, endiya kumbeka esikhundleni sakho etroneni yakho, nguye oya kulakhela indlu igama lam.

6Ngoko ke wisa umthetho, bandigawulele imisedare eLebhanon; abakhonzi bam babe nabakhonzi bakho; ndíkunike umvuzo wabakhonzi bakho, njengako konke owokuthetha; ngokuba uyazi wena, ukuba kuthi apha akukho ndoda ikwaziyo ukugawula imithi njengamaTsidon.

7Kwathi, akuweva uHiram amazwi kaSolomon, wavuya kunene, wathi, Makabongwe uYehova namhla, omnikileyo uDavide unyana olumkileyo, wokubaphatha aba bantu baninzi kangaka.

8Wathumela uHiram kuSolomon, esithi, Ndikuvile oko undithumele khona; ndokwenza konke ukuthanda kwakho mna ngemisedare nangemisipres.

9Abakhonzi bam boyihlisa eLebhanon, bayise elwandle; ndiyihlanganise ndiyidadise elwandle, ndiyise kuloo ndawo wondimisela yona, ndiyikhulule khona, uyithabathe khona; ke wena wenze ukuthanda kwam, ngokuyinika ukudla indlu yam.

10Waye ke uHiram emnika uSolomon imisedare nemisipres ngangokuthanda kwakhe konke.

11USolomon wamnika uHiram amashumi amabini amawaka eekore zengqolowa, ukuba idle indlu yakhe; namashumi omabini eekore zeoli engqushiweyo; wenjenjalo ke uSolomon ukumnika uHiram iminyaka ngeminyaka.

12UYehova wamnika ubulumko uSolomon, njengoko wayekuthethile kuye; lwaba luxolo phakathi koHiram noSolomon: benza umnqophiso bobabini.

13Ukumkani uSolomon wahlahla abafakwa uviko kumaSirayeli onke; abo bafakwa uviko babengamashumi omathathu amawaka amadoda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Wabathuma eLebhanon, ishumi lamawaka ngenyanga, bekhululana; inyanga enye
babe seLebhanon, iinyanga ezimbini babe sekhaya; ke uAdoniram ubephethe abo
bafakwa uviko.

15USolomon ebenamashumi asixhenxe amawaka athwala imithwalo, namashumi
osibhozo amawaka abeqingqa amatye ezintabeni;

16bebodwa abathetheli abangabongameli bakaSolomon, ababewuphethe
umsebenzi, bengamawaka amathathu anamakhulu mathathu, ababenobukhosi
ebantwini ababewusebenza loo msebenzi.

17Wawisa umthetho ukumkani, bemba amatye amakhulu, amatye anqabileyo,
amatye aqingqiweyo okuseka indlu.

18Baqingqa ke abakhi bakaSolomon, nabakhi bakaHiram, nabaseGebhali, balungisa
imithi namatye okuyakha indlu.

OoKumkani I 6

Ukwakhiwa kwetempile kaSolomon

1Kwathi, ngomnyaka wamakhulu omané anamanci asibhozo bephumile oonyana
bakaSirayeli ezweni lamaYiputa, ngomnyaka wesiné uSolomon engukumkani
kumaSirayeli, ngenyanga enguZivi, eyinyanga yesibini, wamakhela uYehova indlu
leyo.

2Loo ndlu ukumkani uSolomon wamakhelayo uYehova ibiziikubite ezimashumi
mathandathu ubude bayo, iziikubhite ezimashumi mabini ububanzi bayo, iziikubhite
ezimashumi mathathu ukuphakama kwayo.

3Ivaranda, ebiphambi kwebhotwe lendlu, ibiziikubhite ezimashumi mabini ubude
bayo bungangobubanzi bendlu; ibiziikubhite ezilishumi ububanzi bayo phambi
kwendlu.

4Ke indlu wayenzela iifestile ezinamanqwanqwa athe nkqi.

5Wákha eludongeni lwendlu umayamo ngeenxa zonke; ezindongeni zendlu ngeenxa
zonke, ezo zebhotwe nezendawo yezihlabo, wenza amagumbi emacaleni ngeenxa
zonke;

6udidi oluphantsi beluziikubhite ezintlanu ububanzi balo; oluphakathi beluziikubhite
ezintandathu ububanzi balo; olwesithathu beluziikubhite ezisixhenxe ububanzi balo;
ngokuba wenza iingqameko endlwini ngaphandle, wajikelezisa,
ukuze imiqadi ingàfakwa ezindongeni zendlu.

7Indlu ekwakhiweni kwayo yákhiwa ngamatye aselegqityiwe ukulungiswa endaweni
ambiwa kuyo; izando nezixholo, zonke iimpahla zesinyithi, azivakalanga kuloo ndlu
ekwakhiweni kwayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Umnyango wegumbi eliphakathi ubusecaleni lasekunene lendlu; kwenyukwa
ngezinyuko ezizungulezayo ukuya kweloluphakathi udidi, nokusuka kulo kuyiwe
kwelolwesithathu.

9Wayakha ke indlu, wayigqiba, wayifulela ngemiqadi neeplanga zemisedare.

10Wákha ke umayamo endlwini yonke, waziikhubhite ezintlanu ukuphakama kwawo;
wabambelela endlwini ngemisedare.

11Lafika ilizwi likaYehova kuSolomon, lisithi,

12Ngale ndlu uyakhayo wena, ukuba uthe wahamba ngemimiselo yam, wawenza
amasiko am, wayigcina yonke imithetho ngokuhamba ngayo: ndolimisa kuwe ilizwi
lam, endalithethayo kuDavide uyihlo;

13ndihlàle phakathi koonyana bakaSirayeli, ndingabashiyi abantu bam amaSirayeli.

14Wayakha ke uSolomon indlu, wayigqiba.

15Wazakha iindonga zendlu ngaphakathi ngeeplanga zemisedare, ethabathela
emgangathweni wesa emiqadini yophahla; waleka ngemithi ngaphakathi, wawaleka
umgangatho wendlu ngeeplanga zemisipres.

16Wákha iikubhite ezimashumi mabini, ethabathela emaphundwini endlu,
ngeeplanga zemisedare, ethabathela emgangathweni wesa emiqadini; wazakhela
yona ngaphakathi indawo yezihlabo, ingcwele kangcwele.

17Yayingamashumi amané eekubhite indlu leyo ilibhotwe elingaphambili.

18Yayimisedare kule ndlu ngaphakathi, ilukrolo lwamathangazana neentyantyambo
ezithe bhenqe; yangumsedare yonke; akwabonakala litye.

19Walungisa indawo yezihlabo endlwini ngaphakathi, ukuba ibekwe khona ityeya
yomnqophiso kaYehova.

20Umphakathi wendawo yezihlabo ubuziikubhite ezimashumi mabini ubude bawo,
uziikhubhite ezimashumi mabini ububanzi bawo, uziikubhite ezimashumi mabini
ukuphakama kwawo; wawaleka ngegolide ethe shinyi, wasaleka nesibingelelo
ngomsedare.

21Wayaléka ke uSolomon indlu ngaphakathi ngegolide ethe shinyi, wavala
ngemixokelelwane yegolide ngaphambi kwendawo yezihlabo, wasaleka ngegolide.

22Wayaléka ngegolide yonke ke indlu, wada wayigqiba yonke indlu; nesibingelelo
sonke esibe sisendaweni yezihlabo wasaleka ngegolide.

23Endaweni yezihlabo wenza iikerubhi zambini ngeminquma yasendle: zalishumi
leekubhite ukuphakama kwazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Libe liziikubhite ezintlanu elinye iphiko lekerubhi, libe liziikubhite ezintlanu elesibini iphiko lekerubhi: zaba ziikubhite ezilishumi, zithabathela encamini yelinye iphiko layo, zise encamini yelinye iphiko layo.

25Ibiziikubhite ezilishumi neyesibini ikerubhi: ubumnye umlinganiso, kukunye ukubonakala kweekerubhi zombini.

26Ukuphakama kwenye ikerubhi bekuziikubhite ezilishumi, bekunjalo nakweyesibini ikerubhi.

27Wazibeka iikerubhi ezo ngaphakathi kwengaphakathi indlu; oluka amaphiko eekerubhi: lafikelela iphiko lenye eludongeni, lathi iphiko lekerubhi yesibini lafikelela kolunye udonga; aza amaphiko azo afikelelana esazulwini sendlu: elinye iphiko lafikelela kwelinye iphiko.

28Wazaleka iikerubhi ezo ngegolide.

29Wathi zonke iindonga zendlu ngeenxa zonke wazikrola imikrolo, zaba nemikrolo yeekerubhi, namasundu, neentyantyambo ezithe bhenqe, ngaphakathi nangaphandle.

30Umgangatho wendlu wawaleka ngegolide ngapha nangapha.

31Umnyango wendawo yezihlabo wawenzela iingcango ngeminquma; ulungqu lwemigubasi belusisahlulo sesihlanu sodonga.

32Iingcango zombini bezizezomnquma; wazikrola ngemikrolo yeekerubhi, namasundu, neentyantyambo ezithe bhenqe, wazaleka ngegolide; eyihambisa igolide phezu kweekerubhi namasundu.

33Wenjenje ukuwenzela umnyango webhotwe imigubasi ngeminquma, esisahlulo sesiné sodonga.

34Iingcango zombini wazenza ngemisipres; amaphiko omabini olunye ucango aba ngajingayo, amaphiko omabini olwesibini ucango aba ngajingayo.

35Wakrola kuwo iikerubhi, namasundu, neentyantyambo ezithe bhenqe, waleka ngegolide, yagudiswa emikrolweni.

36Wákha intendelezo engaphakathi ngeengcamba ezintathu zamatye aqingqiweyo, nangeengcamba zemisedare echweliweyo.

37Yasekwa ngomnyaka wesiné, ngenyanga enguZivi, indlu kaYehova;

38ngomnyaka weshumi elinamanye, ngenyanga enguBhuli, eyinyanga yesibhozo leyo, yagqitywa loo ndlu ezintweni zayo zonke, nasezimfanelekweni zayo zonke. Wayakha ngeminyaka esixhenxe.

OoKumkani I 7

Ibhotwe likaSolomon

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Eyàkhe indlu uSolomon wayakha iminyaka elishumi elinamithathu, wayigqiba indlu
yakhe yonke.

2Kuba wákha nendlu yehlathi laseLebhanon: yalikhulu leekubhite ubude bayo,
yangamashumi amahlanu eekubhite ububanzi bayo, yangamashumi amathathu
eekubhite ukuphakama kwayo, phezu kwemikrozo eminé yeentsika zomsedare,
ezinemiqadi echweliweyo yemisedare phezu kweentsika ezo.

3Yafulelwa ngemisedare phezulu, phezu kwamagumbi abe ephezu kweentsika
ezingamashumi amané anantlanu; aba lishumi elinantlanu lukrozweni lunye.

4Imiqadi ibiyimikrozo emithathu, ikroba likhangelene nekroba kathathu.

5Zonke iingcango nemigubasi yayimbombo-né, iyimithi; ikroba lilunge nekroba
kathathu.

6Wenza ivaranda yeentsika: yaziikubhite ezimashumi mahlanu ubude bayo,
neekubhite ezimashumi mathathu ububanzi bayo, zinevaranda engaphambi kwazo,
neentsika nezinyuko phambi kwazo.

7Wenza nevaranda yetrone, apho abethetha khona amatyala, iyivaranda yamatyala,
wayifulela ngemisedare, ethabathela komnye umgangatho wesa komnye
umgangatho.

8Indlu yakhe abehlala kuyo, ekwenye intendelezo phakathi ngasevarandeni,
yasetyenzwa kwangokunjalo. Wayenzela indlu intombi kaFaro, awayizekayo
uSolomon, yanjengaloo varanda.

9Zonke ezo zinto bezizezamatye anqabileyo, aqingqwe ngokomlinganiso, asarhiweyo
ngeesarha, ngaphakathi nangaphandle; ethabathela esisekweni esa elungqwini,
ethabathela nangaphandle esa entendelezweni enkulu.

10Useko lwalungamatye anqabileyo, amatye amakhulu, amatye eekubhite ezilishumi,
amatye eekubhite ezisibhozo.

11Ngaphezulu yabe ingamatye anqabileyo, aqingqwe ngokomlinganiso, nemisedare.

12Intendelezo enkulu ejikelezayo yayineengcamba ezintathu zamatye aqingqiweyo,
nocamba lwemisedare echweliweyo; njengentendelezo engaphakathi yendlu
kaYehova, nevaranda yendlu layo.

Izixhobo zokusebenza etempileni

13Wathumela ukumkani uSolomon, wathabatha uHuram eTire.

14Yena ebengunyana womhlolokazi wesizwe sakwaNafetali, uyise ebengumTire,
ingcibi yobhedu; wayezele bubulumko nayingqondo, nakukwazi ukwenza yonke
imisebenzi yobhedu. Weza ke kukumkani, kuSolomon, wayenza yonke imisebenzi
yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Wayila iintsika zambini zobhedu: zalishumi elinesibhozo iikubhite ukuphakama kwentsika inye, nomtya oziikubhite ezilishumi elinambini ukuthandela intsika inye.

16Wenza iingqukuva zambini ngobhedu olutyhidiweyo, zokubekwa emantloko eentsika ezo: ukuphakama kwengqukuva enye kuziikubhite ezintlanu, ukuphakama kwengqukuva yesibini kuziikubhite ezintlanu.

17Wenza iminatha, umsebenzi onguphinyephinye, nezidanga, umsebenzi osontelwe ezingqukuveni, ezisemantloko eentsika ezo: yasixhenxe kwenye ingqukuva, yasixhenxe kweyesibini ingqukuva.

18Wenza ke iirharnate, imikrozo emibini yokuwujikeleza omnye umnatha, yokugubungela iingqukuva ezisemantloko eentsika, wenjenjalo nakweyesibini ingqukuva.

19Iingqukuva ezisemantloko eentsika ezo zibe zingumsebenzi oyinyibiba, ngokwevaranda, ziziikubhite ezine;

20iingqukuva ezisezintsikeni ezo zombini wazenza nangaphezulu, kufuphi nesisu esalekwe ngomnatha, neerharnate ezimakhulu mabini, zikrozile zajikeleza engqukuveni yesibini.

21Wazimisa iintsika evarandeni yetempile, wayimisa intsika yasekunene, wathi igama layo nguZinzisayo; wayimisa intsika yasekhohlo, wathi igama layo nguMandlakuye.

22Phezu kweentloko zeentsika ezo bekukho umsebenzi weenyibiba. Wagqitywa ke umsebenzi weentsika.

23Wenza ulwandle olutyhidiweyo: lwaziikubhite ezilishumi ukusuka kolunye udini lwalo, kuyiwe kolunye udini lwalo, luyinqila ngeenxa zonke, lwaziikubhite ezintlanu ukuphakama kwalo; kwajikeleza kulo umtya oziikubhite ezimashumi mathathu ngeenxa zonke.

24Ngaphantsi kodini lwalo ngeenxa zonke yangamathangazana alishumi kubhitini-nye, azunguleza ulwandle olo ngeenxa zonke; eyimikrozo emibini amathangazana, athyidwa nalo ekutyhidweni kwalo.

25Lwema phezu kweenkomo ezilishumi elinambini: ezintathu zibheké entla, ezintathu zibheké entshonalanga, ezintathu zibheké empumalanga; ulwandle lubekwe kuzo ngaphezulu, imiva yazo zonke isinge phakathi.

26Ubungqingqwa balo bebungangobubanzi besandla; udini lwalo belwenziwe lwanjengodini lwendebe, lwaneentyantyambo zeenyibiba; lulingéne amawaka amabini eebhate.

27Wenza iingqwelwana zalishumi ngobhedu; baziikubhite eziné ubude benqwelwana inye, baziikubhite eziné ububanzi bayo, kwaziikubhite ezintathu ukuphakama kwayo.

28Kwakunje ukwenziwa kwenqwelwana: zazineepanele phakathi kwemiqhele;

© 1975 Bible Society of South Africa.

29naphezu kweepanele eziphakathi kwemiqhele ibiziingonyama neenkomo neekerubhi; naphezu kwemiqhele bekukho useko ngaphezulu; ngaphantsi kweengonyama neenkomo bekukho izidanga, umsebenzi ojingayo.

30Inqwelwana inye yabe ineevili eziné zobhedu, neeasi zobhedu; iinyawo zazo zoziné zazinamagxa; ngaphantsi kwezitya zokuhlambela ingamagxa lawo atyhidiweyo, ngaphaya kwelinye ibizizidanga.

31Umlomo wayo ubusesazulwini sesiciko, uyikubhite ukuphakama kwawo; umlomo wesiciko uyinqila, senziwe ngokwenziwa koseko; siyikubhite enesiqingatha sekubhite ububanzi; nasemlonyeni waso kwakukho imikrolo; iipanele zaso zazimbombo-né, azaba zinqila.

32Ngaphantsi kweepanele yabe iziivili eziné, iiasi zeevili ezo bezimi enqwelwaneni; ukuphakama kwevili kwakuyikubhite nesiqingatha sekubhite.

33Ukwenziwa kweevili bekunjengokwenziwa kweevili zeenqwelo zonke; iiasi zazo, neefeleni zazo, nezipeki zazo, neenafu zazo, zibe zityhidiwe zonke.

34Amagxa omané abesezimbombeni zoné zenqwelwana, emilile enqwelwaneni amagxa lawo.

35Emphezulwini wenqwelwana kwakukho inqila ngeenxa zonke; ukuphakama kwawo kusisiqingatha sekubhite; phezu komphezulu wenqwelwana kwaphuma izinto zokubamba neepanele.

36Emacebeni azo okubamba, nasezipaneleni zawo, wakrola iikerubhi neengonyama namasundu, ngangebala lalo elinye, nezidanga ngeenxa zonke.

37Wenjenjalo ukuzenza iinqwelwana ezilishumi: waba mnye umtyhido, waba mnye umlinganiso, kwaba kunye ukubonakala kwazo zonke.

38Wenza ke izitya zokuhlambela zalishumi ngobhedu; sisinye isitya sokuhlambela salingana amashumi amané eebhate: sisinye isitya sokuhlambela siziikubhite eziné; sasisitya sokuhlambela enqwelwaneni kuzo zoshumi.

39Wabeka iinqwelwana zantlanu ngecala lokunene layo indlu, wabeka zantlanu ngecala lasekhohlo layo indlu; walubeka ulwandle ngecala lokunene layo indlu, lwabheka empumalanga malunga ezantsi.

40UHuram wazenza nezitya zokuhlambela, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza. UHuram wagqiba ke ukuwenza wonke umsebenzi abewenzela ukumkani uSolomon, wendlu kaYehova:

41iintsika zombini, neembumba zeengqukuva ebezisemantloko eentsika ezo zombini, neminatha yomibini yokuzunguleza iimbumba zombini zeengqukuva ebezisemantloko eentsika;

© 1975 Bible Society of South Africa.

42neerharnate ezimakhulu mané zeminatha yomibini: imikrozo emibini yeerharnate kumnatha umnye yokuzunguleza iimbumba ezimbini zeengqukuva, ezibe zisezintsikeni;

43neenqwelwana ezilishumi, nezitya zokuhlambela ezilishumi ezinqwelwaneni;

44nolwandle olunye, neenkomo ezilishumi elinambini ngaphantsi kolwandle olo;

45neembiza, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza, neempahla zonke. Zizo ezo izinto uHuram awazenzela ukumkani uSolomon, zendlu kaYehova; bezizezobhedu olubengezelayo.

46Ukumkani wazityhidela emmandleni weYordan, emhlabeni oludongwe, phakathi kweSukoti neTsaretan.

47Waziyeka uSolomon zonke iimpahla zingalinganiswanga, ngokuba bezizininzi kakhulu kunene; àbafumaneka ubunzima bobhedu olo.

48Wazenza ke uSalomon zonke iimpahla zendlu kaYehova: isibingelelo segolide, netafile yegolide ebezikuyo izonka zokubonisa;

49neziphatho zezibane zegolide ethe shinyi: zazihlanu ngasekunene, zazihlanu ngasekhohlo, phambi kwendawo yezihlabo; neentyantyambo, nezibane,

50nezifinyiso zegolide, nezitya, nezitshetshe, nezitya zokutshiza, neenkamba, neengcedevu zegolide ethe shinyi, neehinjizi zegolide zeengcango zendlu engaphakathi, eyingcwele kangcwele, nezeengcango zendlu elibhotwe.

51Wagqitywa ke wonke umsebenzi, abewenzela indlu kaYehova ukumkani uSolomon. Wazingenisa uSolomon zonke izinto, abezingcwalisile uDavide uyise, isilivere negolide, wazibeka iimpahla ezo endaweni yobuncwane bendlu kaYehova.

OoKumkani I 8

Ukunikelwa kwetempile; umthandazo kaSolomon

1Waza uSolomon wawabizela ndawonye amadoda amakhulu akwaSirayeli, neentloko zonke zezizwe, izikhulu zezindlu zooyise zoonyana bakaSirayeli, kukumkani uSolomon eYerusalem, ukuba bayinyuse ityeya yomnqophiso kaYehova, iphume emzini kaDavide: yiZiyon ke leyo.

2Abizelwa ndawonye kukumkani uSolomon onke amadoda akwaSirayeli emthendelekweni ngenyanga enguEtanim: yinyanga yesixhenxe ke leyo.

3Eza ke onke amadoda amakhulu akwaSirayeli; bayithwala ababingeleli ityeya leyo.

4Benyuka nayo ityeya kaYehova, nentente yokuhlangana, neempahla zonke zengcwele ezibe zisententeni; benyuka nazo ababingeleli nabaLevi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ke ukumkani uSolomon nebandla lonke lamaSirayeli, elibe lihlanganiselene kuye, linaye phambi kwetyeya, babingelela impahla emfutshane neenkomo ezingenakubalwa, ezingenakulinganiswa ukuba zininzi kwazo.

6Bayingenisa ababingeleli ityeya yomnqophiso kaYehova endaweni yayo, endaweni yezihlabo endlwini, engcweleni kangcwele, phantsi kwamaphiko eekerubhi.

7Ngokuba iikerubhi zaye ziwolulele amaphiko phezu kwendawo yetyeya, iikerubhi zayisithelisa ityeya nezibonda zayo ngaphezulu.

8Zazizide izibonda, zibonakala iincam zezibonda engcweleni phambi kwendawo yezihlabo, azabonakala ngaphandle; zisekhona unanamhla.

9Kwakungekho nto etyeyeni, yayingamacwecwe amabini amatye kuphela, awawabeka khona uMoses eHorebhe, oko uYehova wanqophisana noonyana bakaSirayeli, ekuphumeni kwabo ezweni laseYiputa.

10Kwathi, ekuphumeni kwababingeleli engcweleni, lasuka ilifu layizalisa indlu kaYehova.

11Ababingeleli ababa nakuma balungiselele ngenxa yelifu; ngokuba ubuqaqawuli bukaYehova bayizalisa indlu kaYehova.

12Waza wathi uSolomon, UYehova wathi, úya kuhlala esithokothokweni.

13Ukukwakhela, ndikwakhéle indlu, ukuba ibe yeyokuhlala wena, indawo yokuhlala wena ngonaphakade.

14Wee guqugu ukumkani walisikelela lonke ibandla lakwaSirayeli (laye ke limi lonke ibandla lakwaSirayeli).

15Wathi yena, Makabongwe uYehova, uThixo kaSirayeli, owathetha ngomlomo wakhe kuDavide ubawo, wakuzalisa ngesandla sakhe, esithi,

16Kususela kwimini yokubakhupha kwam abantu bam amaSirayeli eYiputa, andinyulanga mzi ezizweni zonke zakwaSirayeli wokwakha indlu, yokuba libe khona igama lam; ndanyula uDavide ukuba abe phezu kwabantu bam amaSirayeli.

17Kwaye kukho entliziyweni kaDavide ubawo ukuthi alakhele indlu igama likaYehova uThixo kaSirayeli.

18Wathi uYehova kuDavide ubawo, Ngenxa enokuba kwakukho entliziyweni yakho ukuthi ulakhele indlu igama lam, walungisa ngokuthi kubekho oko entliziyweni yakho;

19noko ke akusayi kuyakha indlu wena: unyana wakho ophuma esinqeni sakho, nguye oya kulakhela indlu igama lam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Úlimisile ke uYehova ilizwi lakhe awalithethayo; ndivelile endaweni kaDavide ubawo, ndahlala etroneni yakwaSirayeli, njengoko wakuthethayo uYehova; ndalakhela indlu igama likaYehova uThixo kaSirayeli.

21Ndayimisela khona indawo yetyeya, apho ukhona umnqophiso kaYehova, awawenzayo nobawo bethu ekubakhupheni kwakhe ezweni laseYiputa.

22Wema ke uSolomon phambi kwesibingelelo sikaYehova, ebusweni bebandla lonke lamaSirayeli, wazolulela ezulwini izandla zakhe.

23Wathi: Yehova Thixo kaSirayeli, akukho unjengawe, ezulwini phezulu nasemhlabeni phantsi, ubagcinelayo umnqophiso nenceba abakhonzi bakho abahamba phambi kwakho ngentliziyo yabo yonke;

24umgcineleyo umkhonzi wakho uDavide ubawo oko wakuthethayo kuye; wakuthetha ngomlomo wakho, wakuzalisa ngesandla sakho, njengoko kunjalo namhla.

25Kaloku, Yehova, Thixo kaSirayeli, mgcinele umkhonzi wakho uDavide ubawo oko wakuthethayo kuye, usithi, Ebusweni bam akuyi kunqunyukelwa ndoda yakuhlala etroneni yakwaSirayeli; ukuba kodwa bathe oonyana bakho bayigcina indlela yabo, bahamba phambi kwam, njengoko uhambé phambi kwam wena.

26Kaloku, Thixo kaSirayeli, makanyaniseke amazwi akho, owawathethayo kumkhonzi wakho uDavide ubawo.

27Gxebe uThixo angáde ahlale emhlabeni na? Yabona, amazulu, amazulu awo amazulu, akakulingene; hina ke, yona le ndlu ndiyakhileyo!

28Noko ke kunonelele ukuthandaza komkhonzi wakho, nokutarhuzisa kwakhe, Yehova Thixo wam, ukuphulaphule ukumemelela nokuthandaza, athandaza ngako umkhonzi wakho phambi kwakho namhla;

29ukuba amehlo akho akhangèle kule ndlu ubusuku nemini, kwindawo othe, Liya kuba kuyo igama lam; uphulaphule umthandazo athandaza ngawo umkhonzi wakho kule ndawo.

30Phulaphula ukutarhuzisa komkhonzi wakho, nabantu bakho amaSirayeli, abaya kuthandaza ngako kule ndawo; uve ke wena endaweni ohlala kuyo emazulwini; uve ke uxolele.

31Xa athe umntu wóna ummelwane wakhe, wathwaliswa isifungo, wafungiswa, weza wafunga phambi kwesibingelelo sakho kule ndlu:

32yiva ke wena emazulwini, wenze, ugwebe kubakhonzi bakho; umgwebe ongendawo, uyibeke indlela yakhe phezu kwentloko yakhe; umgwebele olilungisa, umnike ngokobulungisa bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Xa bathe abantu bakho, amaSirayeli, boyiswa ziintshaba zabo, kuba bekonile, baza babuyela kuwe, balivuma igama lakho, bathandaza batarhuzisa kuwe bekule ndlu:

34yiva ke wena emazulwini, usixolele isono sabantu bakho amaSirayeli, ubabuyisele emhlabeni owawunika ooyise.

35Xa lithe izulu lavalwa, akwabakho mvula, kuba bekonile, baza bathandaza bekule ndawo, balivuma igama lakho, babuya esonweni sabo, ngokuba ubacinezele:

36yiva ke wena emazulwini, usixolele isono sabakhonzi bakho, abantu bakho amaSirayeli, ngokuba ubafundisa indlela elungileyo abaya kuhamba ngayo, unise imvula ezweni lakho, olinike abantu bakho ukuba libe lilifa.

37Xa kuthe kwakho indlala elizweni, xa kuthe kwakho indyikitya yokufa, xa kuthe kwakho imbabala, nexoshomba, neenkumbi ezinqunquthayo; xa zithe iintshaba zabangqinga elizweni, emizini yabo; nokuba sisiphi isibetho, nokuba sisiphi isifo esithe sakho:

38ukuthandaza, nokutarhuzisa nokuba kukuphi, okuthe kwenziwa ngubani, nokuba ngabantu bakho bonke amaSirayeli, abathe besazi elowo isibetho sentliziyo yakhe, bazolulela kule ndlu izandla zabo:

39yiva ke wena emazulwini, endaweni ohlala kuyo, uxolele; wenze, umnike elowo ngokweendlela zakhe zonke, ngokuyazi kwakho intliziyo yakhe (ngokuba nguwe wedwa ozaziyo iintliziyo zoonyana bonke babantu);

40ukuze bakoyike yonke imihla abahleli ngayo emhlabeni owawunika oobawo.

41-42Kananjalo owolunye uhlanga, ongengowabantu bakho amaSirayeli, xa athe wavela ezweni elikude ngenxa yegama lakho (ngokuba baya kuliva igama lakho elikhulu, nesandla sakho esithe nkqi, nengalo yakho eyolukileyo); weza ke lowo, wathandaza ekule ndlu:

43yiva ke wena emazulwini, endaweni ohlala kuyo, wenze ngako konke athe wakunqula owolunye uhlanga, ukuze zonke izizwe zomhlaba zilazi igama lakho, zikoyike njengabantu bakho amaSirayeli, zazi ukuba ibizwe ngegama lakho le ndlu ndiyakhileyo.

44Xa bathe abantu bakho baphuma, baya kulwa notshaba lwabo, ngendlela obathume ngayo, bathandaza kuYehova, bebhekisa kulo mzi uwunyulileyo, nakule ndlu ndiyakhele igama lakho:

45yiva ke emazulwini ukuthandaza kwabo nokutarhuzisa kwabo, ubagwebele.

46Xa bathe bakona (ngokuba akukho mntu ungoniyo), waba nomsindo, wabanikela elutshabeni, bathi abathimbi babathimba, babása ezweni lotshaba olo, nokuba likude nokuba likufuphi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

47baza bakunyamekela oko ngentliziyo kwelo zwe bathinjelwe kulo, babuya, batarhuzisa kuwe ezweni lababathimbileyo, besithi, Sonile, senza ubugwenxa, senza okungendawo;

48babuyela kuwe ngentliziyo yabo yonke, nangomphefumlo wabo wonke, bekwelo zwe leentshaba zabo ezibathimbileyo, bathandaza kuwe, bebhekisa elizweni labo owalinika ooyise, kulo mzi uwunyulileyo, kule ndlu ndiyakhele igama lakho:

49yiva ke emazulwini, endaweni ohlala kuyo, ukuthandaza kwabo nokutarhuzisa kwabo, ubagwebele,

50ubaxolele abantu bakho ngoko kona, nokukreqa kwabo konke abakreqe ngako kuwe, ubenzele imfesane phambi kwababathimbileyo, basikwe bona yimfesane ngabo.

51Ngokuba ngabantu bakho, nelifa lakho, owabakhuphayo eYiputa ezikweni lesinyiti;

52ukuba amehlo akho akhangele ekutarhuziseni komkhonzi wakho, nasekutarhuziseni kwabantu bakho amaSirayeli, ukuba ubeve ekukunquleni kwabo konke.

53Ngokuba wabahlula wena ezizweni zonke zomhlaba, ukuba babe lilifa lakho, njengoko wakuthetha ngoMoses umkhonzi wakho, ekubakhupheni kwakho oobawo eYiputa, Nkosi Yehova.

54Kwathi xa agqibileyo ukuthandaza uSolomon kuYehova konke oko kuthandaza nokutarhuzisa, wesuka phambi kwesibingelelo sikaYehova ekuguqeni ngamadolo akhe, ezolulele ezulwini izandla zakhe.

55Wema, walisikelela lonke ibandla lakwaSirayeli ngezwi elikhulu, wathi,

56Makabongwe uYehova, obanike ukuphumla abantu bakhe amaSirayeli, njengoko konke wakuthethayo; àkwaphalala nalinye ilizwi kuwo onke amazwi akhe alungileyo, awawathethayo ngoMoses umkhonzi wakhe.

57UYehova uThixo wethu makabe nathi, njengokuba wayenoobawo bethu; angàsishiyi, angàsilahli;

58ukuze ayithobele kuye intliziyo yethu, sihambe ngeendlela zakhe zonke, sigcine imithetho yakhe, nemimiselo yakhe, namasiko akhe, njengoko abebawisele umthetho ngako oobawo.

59Makathi nala mazwi am, nditarhuzisileyo ngawo phambi koYehova, asondele kuYehova uThixo wethu, imini nobusuku, ukuba amgwebele umkhonzi wakhe, abagwebele abantu bakhe amaSirayeli, into yemini ngemini yayo;

60ukuze zazi zonke izizwe zomhlaba, ukuba uYehova nguye uThixo, akukho wumbi.

61Mayiphelele intliziyo yenu kuYehova uThixo wethu, ukuba nihambe ngemimiselo yakhe, niyigcine imithetho yakhe, njengoko kunjalo namhla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

62Waye ke ukumkani, namaSirayeli onke kunye naye, ebingelela imibingelelo phambi koYehova.

63Wabingelela ke uSolomon imibingelelo yokubulela, awayibingelelayo kuYehova; amashumi amabini anesibini amawaka eenkomo, ikhulu elinamanci amabini lamawaka empahla emfutshane. Bayisungula ke indlu kaYehova, ukumkani lowo noonyana bonke bakaSirayeli.

64Ngaloo mini ukumkani wawungcwalisa umphakathi wentendelezo ephambi kwendlu kaYehova. Ngokuba wenza khona idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, namanqatha emibingelelo yokubulela; kuba isibingelelo sobhedu esiphambi koYehova besisincinane, singenakulamkela idini lonke elinyukayo, nomnikelo wokudla, namanqatha emibingelelo yokubulela.

65Ngelo xesha uSolomon wenza umthendeleko, enamaSirayeli onke, ibandla elikhulu, elithabathele ekungeneni kweHamati, lesa emlanjeni waseYiputa, phambi koYehova uThixo wethu, iintsuku ezisixhenxe neentsuku ezisixhenxe, zaziintsuku ezilishumi elinesiné.

66Ngosuku lwesibhozo wabandulula abantu. Bambonga ukumkani, baya ke ezintenteni zabo, bevuya, bechwayithile ngenxa yokulunga konke awakwenzayo uYehova kuDavide umkhonzi wakhe, nakumaSirayeli abantu bakhe.

OoKumkani I 9

Impendulo kaThixo kumthandazo kaSolomon

1Kwathi, akugqiba uSolomon ukuyakha indlu kaYehova, nendlu yokumkani, nako konke abekulangazelele uSolomon, abenqwenela ukwenza kona,

2wabonakala uYehova kuSolomon okwesibini, njengoko wayebonakele kuye eGibheyon.

3Wathi uYehova kuye, Ndikuvile ukuthandaza kwakho nokutarhuzisa kwakho otarhuzise ngako phambi kwam. Ndiyingcwalisile ke le ndlu uyakhileyo, ukuba libekwe khona igama lam kude kuse ephakadeni; aya kuba khona amehlo am nentliziyo yam imihla yonke.

4Wena ke, ukuba uthe wahamba phambi kwam, njengoko wahamba ngako uDavide uyihlo, ngentliziyo egqibeleleyo, nangokuthe tye, ukuba ukwénze konke endikumisileyo, ugcine imimiselo yam namasiko am:

5ndoyimisa itrone yobukumkani bakho phezu kwamaSirayeli ngonaphakade, njengoko ndakuthethayo kuDavide uyihlo, ndisithi, Akuyi kunqunyukelwa ndoda etroneni yakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ukuba ke nithe nabuya nabuya ekundilandeleni, nina noonyana benu, anayigcina imithetho yam nemimiselo yam, endiyibeke phambi kwenu, naya nakhonza thixo bambi, naqubuda kubo:

7ndowanqamla amaSirayeli emhlabeni endiwanikileyo; nale ndlu, ndiyingcwaliséle igama lam, ndoyilahla ebusweni bam, amaSirayeli abe ngumzekeliso nento yentsini ezizweni zonke.

8Nale ndlu noko iphezulu nje, bomangaliswa benze umsondlo bonke abadlulayo kuyo, bathi, Yini na ukuba uYehova enjenje kweli lizwe, nakule ndlu?

9Bathi ke, Kungenxa yokuba bamshiyáyo uYehova uThixo wabo, owakhupha ooyise ezweni lamaYiputa; babambelela thixweni bambi, babanqula, babakhonza; kungenxa yoko abuzisileyo bonke obu bubi phezu kwabo uYehova.

Imicimbi kaSolomon noHiram ukumkani

10Kwathi ekupheleni kweminyaka emashumi mabini, awazakha ngayo uSolomon izindlu zombini, indlu kaYehova nendlu kakumkani

11(uHiram ukumkani waseTire ebemncedile uSolomon ngemisedare nangemisipres, nangegolide, ngangoko abekunqwenele), ukumkani uSolomon wamnika uHiram amashumi amabini emizi ezweni leGalili.

12Waphuma uHiram eTire, eya kuyibona imizi uSolomon abemnike yona: àyalunga emehlweni akhe.

13Wathi, Yimizi mini na le undinikileyo, mzalwana wam? Wathi, Lilizwe laseKabhuli unanamhla.

14UHiram wayethumele kukumkani ikhulu elinamanci mabini eetalente zegolide.

15Siso esi isizathu sokufakwa uviko awasimisayo ukumkani uSolomon, ukuba akhe indlu kaYehova, nendlu yakhe, neMilo, nodonga lweYerusalem, neHatsore, neMegido, neGezere.

16Kwakunyuké uFaro ukumkani waseYiputa, wayithimba iGezere, wayitshisa ngomlilo, wawabulala amaKanan abehleli kuloo mzi, wayinika intombi yakhe, umkaSolomon, yaba yinqakwe.

17USolomon wayakha ke iGezere, neBhetehoron yasezantsi;

18neBhahalati, neTademore esentlango kwelo zwe;

19nemizi engoovimba abenayo uSolomon, nemizi yeenqwelo, nemizi yabamahashe, nokulangazelela kukaSolomon awakulangazelelayo ukwakha eYerusalem, naseLebhanon, nasezweni lonke lolawulo lwakhe.

20Bonke abantu abaseleyo kuma-Amori, namaHeti, namaPerizi, namaHivi, namaYebhusi, ababengengabo abakoonyana bakaSirayeli,

© 1975 Bible Society of South Africa.

21oonyana babo abasala emva kwabo ezweni, ababengenako oonyana bakaSirayeli ukubasingela phantsi, wabahlahla uSalomon, ukuba babe ngamakhoboka afakwa uviko unanamhla.

22Ke koonyana bakaSirayeli uSolomon akenzanga khoboka; kuba bona baba ngamadoda akhe okulwa, nabakhonzi bakhe, nabathetheli bakhe, nabaphathimikhosi bakhe, nabathetheli beenqwelo zakhe zokulwa, nabamahashe bakhe.

23Abo bathetheli babengabongameli abaphezu komsebenzi kaSolomon; babengamakhulu amahlanu anamanci mahlanu, ababenobukhosi ebantwini abenza loo msebenzi.

24Yathi yakuthi ukunyuka intombi kaFaro, iphuma emzini kaDavide, isiza endlwini yayo abeyakhele, waqala wayakha iMilo.

25USolomon ubenyusa kathathu ngomnyaka amadini anyukayo, nemibingelelo yokubulela, esibingelelweni abesakhele uYehova, aqhumisele kweso siphambi koYehova. Wayigqiba indlu.

26Ukumkani uSolomon wenza isinqanawa e-Etsiyon-gebhere, ese-Eloti, elunxwemeni loLwandle oluBomvu, ezweni lakwaEdom.

27UHiram wathuma ke ngesinqanawa eso abakhonzi bakhe, amadoda eenqanawa, alwaziyo ulwandle, ndawonye nabakhonzi bakaSolomon.

28Baya kwaOfire, bathabatha khona igolide, amakhulu amané anamanci mabini eetalente, bazisa kukumkani uSolomon.

OoKumkani I 10

Utyelelo lokumkanikazi waseShebha kuSolomon

1Ke kaloku ukumkanikazi waseShebha waluva udaba lukaSolomon, olusingisele kwigama likaYehova, weza ukumlinga ngemibuzo elukhuni.

2Wafika eYerusalem enesihlwele esinzima kunene, esineenkamela ezithwele ubulawu, negolide eninzi kunene, namatye anqabileyo. Weza kuSolomon, wathetha naye konke okube kusentliziyweni yakhe.

3USolomon wamtyhilela onke amazwi akhe; akubangakho lizwi lifihlakeleyo kukumkani, angabanga nakumtyhilela lona.

4Wabubona ukumkanikazi waseShebha bonke ubulumko bukaSolomon, nendlu abeyakhile,

5nokudla kwetafile yakhe, nokuhlala kwabakhonzi bakhe, nokuma kwabalungiseleli bakhe, nezambatho zabo, nabangcamli bakhe, nezinyuko zakhe abenyuka ngazo ukuya endlwini kaYehova; akwaba sabakho kuqina kwamxhelo kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi kukumkani, Libe liyinene ilizwi endaliva, ezweni lam, lezinto zakho nobulumko bakho.

7Andikholwanga ngamazwi lawo, ndada ndeza, abona amehlo am; ùyabona, bendingaxelelwanga nesiqingatha esi. Ùlugqithile ngobulumko nangokulunga udada ebendiluvile.

8Anoyolo amadoda akho, banoyolo aba bakhonzi bakho bemiyo phambi kwakho amaxesha onke, bebuva ubulumko bakho.

9Makabongwe uYehova uThixo wakho, okunoneleleyo, wakubeka etroneni yakwaSirayeli ngokuwathanda kwakhe amaSirayeli ngonaphakade, wakumisa waba ngukumkani, ukuba wenze okusesikweni nobulungisa.

10Ukumkanikazi wamnika ukumkani ikhulu elinamanci amabini eetalente zegolide, nasebulawini into eninzi kunene, namatye anqabileyo; akuzanga kube saziswa bulawu bungangobo ukuba buninzi kwabo, obo ukumkanikazi waseShebha wabunika ukumkani uSolomon.

11Kananjalo isinqanawa sikaHiram, esathutha igolide kwaOfire, savela kwaOfire nemialmugi emininzi kunene, namatye anqabileyo.

12Imialmugi leyo ukumkani wayenza iintsika zendlu kaYehova, nezeyendlu yokumkani, neehadi nemirhubhe yeemvumi; akuzanga kube saziswa mialmugi injalo, akubonwanga injalo unanamhla.

13Ke ukumkani uSolomon wamnika ukumkanikazi waseShebha konke akunanzileyo, awakucelayo; kukodwa khona awamnikayo ngokwamandla okuba engukumkani uSolomon. Wajika ke, waya ezweni lakhe, yena nabakhonzi bakhe.

Ubutyebi bukaSolomon

14Ke kaloku ukulinganiswa kwegolide, eyeza kuSolomon ngamnyaka mnye, kwaba ngamakhulu mathandathu anamanci mathandathu anesithandathu iitalente zegolide.

15Iyodwa eyabarhwebi, neyentengiso yabathengisi, neyookumkani bonke bomxukuxela, neyamabamba elizwe.

16Ukumkani uSolomon wênza amakhulu amabini amakhaka egolide engumkhando; zangamakhulu amathandathu iishekele zegolide, awaleka ngazo khaka linye.

17Wenza amakhulu amathathu eengweletshetshe zegolide engumkhando; zaba ntathu iimina zegolide, awaleka ngazo ngweletshetshe-nye. Ukumkani wazibeka endlwini yehlathi laseLebhanon.

18Ukumkani wenza itrone enkulu ngeempondo zeendlovu, wayaléka ngegolide engcwengiweyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Itrone leyo ibinezinyuko ezithandathu; itrone leyo ibinomphezulu oyinqila ngasemva. Kukho iingalo ngapha nangapha kwendawo yokuhlala; kumi iingonyama ezimbini ecaleni leengalo ezo.

20Kumi iingonyama ezilishumi elinambini khona ezinyukweni ezithandathu, ngapha nangapha; akuzanga kwenziwe nto injalo ezikumkanini zonke.

21Yonke impahla yokusela yokumkani uSolomon yabe iyeyegolide, nempahla yonke yendlu yehlathi laseLebhanon yabe iyeyegolide ecikizekileyo; bekungekho yasilivere; ibingento yakonto yona ngemihla kaSolomon.

22Ngokuba ukumkani ubenesinqanawa saseTarshishe elwandle, ndawonye nesinqanawa sikaHiram; seza kanye ngeminyaka emithathu isinqanawa eso saseTarshishe, sithwele igolide, nesilivere, neempondo zeendlovu, neentsimango, neepikoko.

23Waba mkhulu ke ukumkani uSolomon, ngaphezu kookumkani bonke behlabathi, ngobutyebi nangobulumko.

24Lonke ihlabathi laye lifuna ubuso bukaSolomon, ukuba live ubulumko bakhe, awayebubeke entliziyweni yakhe uThixo.

25Bazisa elowo umnikelo wakhe; iimpahla zesilivere, neempahla zegolide, nezambatho, nezikrweqe, nobulawu, namahashe, noondlebende, into yeminyaka ngeminyaka.

26USolomon wahlanganisa iinqwelo zokulwa namahashe akhwelwayo, waba newaka elinamakhulu amané eenqwelo zokulwa, namawaka alishumi elinamabini amahashe akhwelwayo; wazibeka ezo zinto emizini yeenqwelo zokulwa, nakukumkani eYerusalem.

27Ukumkani wayenza isilivere yanjengamatye eYerusalem, nemisedare wayenza yanjengemithombe esesihlanjeni, ukuba mininzi.

28Amahashe abenawo uSolomon avela eYiputa; laza iqela labathengela ukumkani lalithabatha iqela ngalinye ngenani elithile.

29Kwenyuka kwaphuma inqwelo yokulwa eYiputa ngamakhulu amathandathu eeshekele zesilivere, nehashe ngekhulu elinamanci mahlanu; benjenjalo bona ngokwabo ukubathuthela ookumkani bonke bamaHeti, nookumkani bama-Aram.

OoKumkani I 11

Unqulo-zithixo lukaSolomon

1Ke kaloku ukumkani uSolomon wathanda abafazi abaninzi bezinye iintlanga, ndawonye nentombi kaFaro: amaMowabhikazi, nama-Amonikazi, namaEdomikazi, namaTsidonikazi, namaHetikazi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

2ezintlangeni, abethe uYehova koonyana bakaSirayeli, Ize ningangeni kuzo, nazo
zingangeni kuni; inene, zozitsalela koothixo bazo iintliziyo zenu. Wanamathela kubo
abo uSolomon ngothando.

3Wayenabafazi abamakhulu asixhenxe, amakhosikazi; namakhulu amathathu
amashweshwe; abafazi bakhe bayityekisa ke intliziyo yakhe.

4Kwathi, ngexesha lobudala bukaSolomon, abafazi bakhe bayityekisela intliziyo yakhe
ekulandeleni thixo bambi; intliziyo yakhe ayaphelela kuYehova uThixo wakhe,
njengentliziyo kaDavide uyise.

5USolomon walandela uAshtoreti, uthixo wamaTsidon; walandela uMoleki, izothe
lama-Amon.

6Wenza okubi emehlweni kaYehova; akamlandela uYehova ngokukholisekileyo,
njengoDavide uyise.

7Waza uSolomon wamakhela isigánga uKemoshe, izothe lamaMowabhi, entabeni
ekhangelene neYerusalem, noMoleki, izothe loonyana baka-Amon.

8Wabenjela njalo bonke abafazi bakhe bezinye iintlanga, ababeqhumisela
bebingelela koothixo babo.

9UYehova ke waba nomsindo kuSolomon, ngokuba ibityekile intliziyo yakhe, yemka
kuYehova uThixo kaSirayeli, owayebonakele kuye izihlandlo ezibini;

10emwisele umthetho ngaloo nto, ukuba angalandeli thixo bambi; àkawugcina
umthetho abemwisele wona uYehova.

11Wathi ke uYehova kuSolomon, Ngenxa enokuba unaloo nto, akwawugcina
umnqophiso wam, nemimiselo yam endikumiseleyo, okwenene, ndiya kubukrazula
ubukumkani kuwe, ndibunike umkhonzi wakho.

12Kodwa ke andiyi kukwenza oko ngemihla yakho, ngenxa kaDavide uyihlo; ndiya
kubukrazula esandleni sonyana wakho.

13Kodwa andiyi kubukrazula bonke ubukumkani; ndomnika isizwe esinye unyana
wakho, ngenxa kaDavide umkhonzi wam, nangenxa yeYerusalem endiyinyulileyo.

Iintshaba zikaSolomon

14Ke uYehova wamvelisela uSolomon utshaba olunguHadade umEdom; yena
ubengowembewu yokumkani kwaEdom.

15Kwakuthe, oko uDavide ebekwaEdom, ekunyukeni kukaYowabhi umthethelimkhosi
eye kungcwaba abahlatyiweyo, waxabela yonke into engamadoda kwaEdom

16(ngokuba wahlala iinyanga zantandathu khona uYowabhi namaSirayeli onke, wada
wayinqumla yonke into engamadoda kwaEdom);

© 1975 Bible Society of South Africa.

17wabaleka uHadade, yena namaEdom akubakhonzi boyise kunye naye, baya
eYiputa; ke uHadade waye eyinkwenkwana oko.

18Besuka kwaMidiyan, beza eParan; bathabatha amadoda eParan, ahamba nabo;
beza eYiputa kuFaro, ukumkani waseYiputa. Yena ke wamnika indlu, wathi makazuze
ukudla, wamnika ilizwe.

19UHadade wababalwa kakhulu nguFaro; wamnika umfazi, umsakwabo bomkakhe,
umsakwabo boTapenes inkosikazi.

20Ke umsakwabo boTapenes wamzalela uGenubhati, unyana wakhe; uTapenes
wamlumlela endlwini kaFaro, uGenubhati waba ngowendlu kaFaro phakathi
koonyana bakaFaro.

21UHadade eseYiputa, weva ukuba uDavide ulele kooyise, ufile noYowabhi
umthetheli-mkhosi; wathi uHadade kuFaro, Ndíndulule ndiye ezweni lakowethu.

22Wathi uFaro kuye, Ùswele ntoni na kum, le nto ufuna ukuya ezweni lakowenu?
Wathi, yena, Nento le; noko ke ndíndulule.

23UThixo wamvelisela omnye umchasi onguRezon, unyana kaEliyada, owabalekayo
kuHadadezere, ukumkani waseTsobha, inkosi yakhe.

24Wabuthela kuye amadoda, waba ngumthetheli wempi, ekubabulaleni kukaDavide
abo. Baya ke eDamasko, bahlala khona, baba nobukumkani eDamasko.

25Waba lutshaba lwamaSirayeli yonke imihla kaSolomon; ke ngobu
bubi wabenzáyo uHadade, wakruquka ngamaSirayeli; waye engukumkani kwa-Aram.

Ukuphakama kukaYarobheham

26NoYarobheham, unyana kaNebhati, umEfrayim waseTsereda, umkhonzi
kaSolomon, ogama lonina belinguTseruya, umhlolokazi, wasiphakamisa isandla
kukumkani.

27Nantsi ke imbangi yokuba amphakamisele isandla ukumkani. USolomon wayesakha
iMilo, wavala ithuba lomzi kaDavide uyise.

28Ke le ndoda inguYarobheham ibiligorha elinobukroti. Wayibona uSolomon le
ndodana, ukuba iyasebenza, wayenza umphathi womthwalo wonke wendlu
kaYosefu.

29Kwathi ngelo xesha, uYarobheham waphuma eYerusalem; wathi uAhiya waseShilo,
umprofeti, wamfumana endleleni; wayambethe ke ingubo entsha; baye bobabini
bebodwa endle.

30Wesuka uAhiya, wayibamba loo ngubo intsha abenayo, wayiqwenga; yaziziqwenga
ezilishumi elinazibini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Wathi uAhiya kuYarobheham, Zithabathele iziqwenga zibe lishumi; ngokuba utsho
uYehova uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabona, ndiya kubukrazula ubukumkani esandleni
sikaSolomon, ndikunike izizwe zibe lishumi;

32esinye isizwe sibe kuye ngenxa yomkhonzi wam uDavide, nangenxa yeYerusalem,
umzi endiwunyulileyo ezizweni zonke zakwaSirayeli.

33Ndibukrazula ngenxa enokuba bendishiyile mna, baqubuda kuAshtoreti, uthixo
wamaMowabhi, nakuMilikom, uthixo woonyana baka-Amon; àbahamba ngeendlela
zam, ukuba benze okuthe tye ngeendlela zam, ukuba benze okuthe tye emehlweni
am, nemimiselo yam, namasiko am, njengoDavide uyise.

34Andiyi kubuthabatha bonke ubukumkani esandleni sakhe; ndomenza abe sisikhulu
yonke imihla yobomi bakhe, ngenxa kaDavide umkhonzi wam endamnyulayo,
owayigcinayo imithetho yam nemimiselo yam.

35Ndobuthabatha ubukumkani esandleni sonyana wakhe, ndinike wena izizwe
ezilishumi ke;

36unyana wakhe ndimnike isizwe esinye, ukuze kubekho isibane kuDavide, umkhonzi
wam, yonke imihla phambi kwam eYerusalem, umzi endiwunyulileyo ukuba ndibeke
khona igama lam.

37Ndokuthabatha, ube ngukumkani kuko konke othe wakunqwenela umphefumlo
wakho, ube ngukumkani kumaSirayeli.

38Kothi, ukuba uthe wakuphulaphula konke endikuwisela umthetho ngako, wahamba
ngeendlela zam, wenza okuthe tye emehlweni am, ukuba ugcine imimiselo yam
nemithetho yam, njengoko wenza ngako uDavide umkhonzi wam: ndibe nawe,
ndikwakhele indlu esimakade, njengoko ndamakhelayo uDavide, ndikunike
amaSirayeli;

39ndiyibandezele imbewu kaDavide ngenxa yoku; kodwa kungàde kube
ngonaphakade.

40USolomon wafuna ukumbulala uYarobheham; wesuka uYarobheham wabalekela
eYiputa kuShishaki, ukumkani weYiputa. Waba seYiputa wada wafa uSolomon.

Ukufa kukaSolomon

41Ezinye izinto zikaSolomon, nako konke awakwenzayo, nobulumko bakhe,
azibhalwanga na encwadini yemicimbi kaSolomon?

42Ke imihla abengukumkani ngayo uSolomon eYerusalem kumaSirayeli onke, yaba
yiminyaka emashumi mané.

43USolomon walala kooyise, wangcwatyelwa emzini kaDavide uyise; uRehabheham,
unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

OoKumkani I 12

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

URehabheham uba ngukumkani

1URehabheham waya kwaShekem; ngokuba amaSirayeli onke abeye kumenza
ukumkani kwaShekem.

2Kwathi akuva uYarobheham, unyana kaNebhati (eseYiputa, apho wayebalekele
khona ebusweni bukaSolomon ukumkani; ehleli uYarobheham eYiputa, bathumela
bambiza),

3weza uYarobheham nebandla lonke lakwaSirayeli, bathetha noRehabheham,
besithi,

4Uyihlo wayenza nzima idyokhwe yethu; ke wena yenze lula inkonzo elukhuni
kayihlo, nedyokhwe yakhe enzima awayibeka phezu kwethu, ukuze sikukhónze.

5Wathi kubo, Khanindikhwelele iintsuku zibe ntathu, nibuye nize kum. Bemka ke
abantu.

6Ukumkani uRehabheham wacebisana namadoda amakhulu, abesakuma phambi
koSolomon uyise oko abesahleli, wathi, Ninika cebo lini na nina, ukuze ndibanike
ilizwi aba bantu?

7Athetha ke kuye, esithi, Ukuba uthe namhla waba ngumkhonzi kwaba bantu,
wabakhonza, wabaphendula, wathetha amazwi amahle kubo, boba ngabakhonzi
bakho yonke imihla.

8Walishiya icebo lamadoda amakhulu abemnike lona, wacebisana namadodana
aziintanga zakhe, abemi phambi kwakhe;

9wathi kuwo, Ninika cebo lini na nina, ukuze sibanike ilizwi aba bantu bathethileyo
kum, besithi, Yenze lula idyokhwe awayibeka phezu kwethu uyihlo?

10Athetha ke kuye amadodana aziintanga zakhe, esithi, Yithi kwaba bantu bathethe
kuwe, besithi, Uyihlo wayenza nzima idyokhwe yethu, yenze lula kuthi wena; yithi
kubo, Ucikicane wam uya kuba nesibili kunesinqe sikabawo.

11Ke, ekubeni ubawo ebenithwalise idyokhwe enzima, mna ke ndiya kongeza
edyokhweni yenu; ubawo ubenibetha ngeentsontelo, mna ke ndiya kunibetha
ngeekatsi.

12Baya ke ooYarobheham nabantu bonke kuRehabheham ngomhla wesithathu,
njengoko wayethethe ngako ukumkani, esithi, Nobuya nize kum ngomhla
wesithathu.

13Ukumkani wabaphendula abantu kalukhuni, walishiya icebo lamadoda amakhulu
abemnike lona.

14Wathetha kubo ngokwecebo lamadodana, esithi, Ubawo wayenza nzima idyokhwe
yenu, mna ke ndiya kongeza edyokhweni yenu; ubawo wanibetha ngeentsontelo,
mna ke ndiya kunibetha ngeekatsi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Akabaphulaphulanga ke abantu ukumkani; ngokuba esi siphendu sibe siphuma
kuYehova, ukuze alimise izwi lakhe, abelithethile uYehova ngoAhiya waseShilo
kuYarobheham, unyana kaNebhati.

Uvukelo lwezizwe; uYarobheham wenziwa ukumkani

16Akùbona ke onke amaSirayeli ukuba ukumkani akawaphulaphuli, abantu
bambuyisela ukumkani ilizwi elithi, Sinasabelo sini na kuDavide? Àsinalifa kunyana
kaYese. Ezintenteni zenu, maSirayeli! Zikhangelele ngoku ngokwakho indlu yakho,
Davide! Aya ezintenteni zawo ke amaSirayeli.

17Ke oonyana bakaSirayeli ababehleli emizini yakwaYuda, uRehabheham waba
ngukumkani kubo.

18Ukumkani uRehabheham wathuma uAdoram, obephethe abafakwa uviko. Esuka
onke amaSirayeli, amxuluba ngamatye; wafa. Ukumkani uRehabheham wakhawuleza
waya kukhwela enqwelweni yakhe, ukuba asabele eYerusalem.

19Akreqa ke amaSirayeli endlwini kaDavide unanamhla.

20Kwathi, akuva onke amaSirayeli ukuba uYarobheham ubuyile, athumela ambizela
ebandleni, amenza ukumkani wamaSirayeli onke; akwabakho ulandela indlu
kaDavide, saba sisizwe sakwaYuda sodwa.

21Weza uRehabheham eYerusalem, wabizela ndawonye yonke indlu yakwaYuda,
kwanesizwe sakwaBhenjamin, ikhulu elinamanci asibhozo lamawaka amadodana
okulwa imfazwe, ukuba aye kulwa nendlu kaSirayeli, bubuyisèlwe ubukumkani
kuRehabheham unyana kaSolomon.

22Lafika ilizwi likaThixo kuShemaya, umfo wakwaThixo, lisithi,

23Yitsho kuRehabheham unyana kaSolomon, ukumkani wakwaYuda, nakwindlu
yonke yakwaYuda, nakuBhenjamin, nakubantu abaseleyo, ukuthi,

24Utsho uYehova ukuthi, Ize ninganyuki; ize ningalwi nabazalwana benu oonyana
bakaSirayeli. Buyani, aye elowo endlwini yakhe; ngokuba iphuma kum le nto.
Baliphulaphula ilizwi likaYehova, babuya, bahamba ngokwelizwi likaYehova.

Isono sikaYarobheham

25Ke uYarobheham wawakha umzi wakwaShekem kweleentaba lakwaEfrayim,
wahlala khona; waphuma apho wákha iPenuweli.

26Wathi uYarobheham entliziyweni yakhe, Kaloku ubukumkani buya kubuyela
endlwini kaDavide.

27Ukuba bathe benyuka aba bantu, baya kubingelela endlwini kaYehova eYerusalem,
yobuya intliziyo yaba bantu iye enkosini yabo, kuRehabheham, ukumkani
wakwaYuda; bandibulale mna, babuyele kuRehabheham ukumkani wakwaYuda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Waceba ke ukumkani, wenza amathole egolide amabini; wathi kubo, Niyaxhamleka kukunyuka niye eYerusalem. Nanku uThixo wakho, Sirayeli, owakukhuphayo ezweni laseYiputa!

29Walimisa ke elinye eBhetele, walimisa elinye kwaDan.

30Yathi loo nto yaba sisono; bahamba abantu baya phambi kwelo likwaDan.

31Wenza indlu yasezigangeni, wenza ababingeleli eluntwini lonke, ababengengabo abakoonyana bakaLevi.

32UYarobheham wenza umthendeleko ngenyanga yesibhozo, ngoweshumi elinesihlanu umhla kuloo nyanga, onjengomthendeleko wakwaYuda; wenyusa amadini esibingelelweni. Wenjenjalo eBheteli, ebingelela kumathole lawo abewenzile; wamisa eBheteli ababingeleli bezigánga awazenzáyo.

33Wenyusa amadini esibingelelweni awasenzayo eBheteli, ngoweshumi elinesihlanu umhla wenyanga yesibhozo, ngenyanga leyo abeyicamangile kweyakhe intliziyo; wabenzela umthendeleko oonyana bakaSirayeli, wenyusa amadini esibingelelweni, ukuba kuqhunyiselwe.

OoKumkani I 13

Umprofeti owuphikisileyo umlomo kaYehova, nesohlwayo sakhe

1Nanko, kuvela umfo wakwaThixo kwaYuda ngokwelizwi likaYehova, weza eBheteli; uYarobheham wayemi ngasesibingelelweni eqhumisela.

2Wankqangaza esibingelelweni ngokwelizwi likaYehova, wathi, Sibingelelo, sibingelelo! Utsho uYehova ukuthi, Uyabona, kuya kuzalwa unyana kwindlu kaDavide, ogama linguYosiya; oya kubabingelela phezu kwakho lo ababingeleli bezigánga, abaqhumisela phezu kwakho, kutshiswe amathambo abantu phezu kwakho.

3Kwangaloo mini wabaxelela isimanga esiya kuhla, esithi, Siso esi isimanga asithethileyo uYehova: Yabona, isibingelelo esi siya kukrazuka, luphalale uthuthu oluphezu kwaso.

4Kwathi, akuliva ukumkani ilizwi lomfo wakwaThixo, owankqangazayo esibingelelweni eBheteli, wasolula uYarobheham isandla sakhe esesibingelelweni, wathi, Mbambeni. Sesuka soma isandla sakhe abesolulele kuye, akaba nako ukusibuyisela kwakuye.

5Sakrazuka isibingelelo, lwaphalala uthuthu esibingelelweni, ngokwesimanga abesixelile umfo wakwaThixo ngelizwi likaYehova.

6Waphendula ukumkani, wathi kumfo wakwaThixo, Khawumbongoze uYehova uThixo wakho, undithandazele, sibuyiselwe kum isandla sam. Umfo wakwaThixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

wambongoza ke uYehova, sabuyiselwa kuye isandla sokumkani, saba njengokwangaphambili.

7Wathetha ke ukumkani kumfo wakwaThixo, wathi, Hamba siye ekhaya, uzixhase, ndikunike isipho.

8Wathi umfo wakwaThixo kukumkani, Ùngafanelana uthe wandinika isiqingatha sendlu yakho, andingekhe ndiye nawe, andingekhe ndidle sonka, andingekhe ndisele manzi kule ndawo.

9Ngokuba kwenjiwa nje ukumiselwa kwam lilizwi likaYehova, kwathiwa, Uze ungadli sonka, ungaseli manzi, ungabuyi ngendlela obuzé ngayo.

10Waza wahamba ngandlela yimbi, akabuya ngendlela abeze ngayo eBheteli.

11Ke kaloku kwakuhleli eBheteli umprofeti othile, obeseleyindoda enkulu; weza unyana wakhe, wamcacisela konke awakwenzayo umfo wakwaThixo loo mini eBheteli; namazwi awawathethayo kukumkani, wawacacisa kuyise.

12Wathi uyise kubo, Úhambé ngayiphi na indlela? Babeyibonile ke indlela oonyana bakhe, ahambe ngayo umfo wakwaThixo, owayevele kwaYuda.

13Wathi koonyana bakhe, Ndibopheleni iesile. Bambophela ke iesile, wakhwela kulo.

14Walandela umfo wakwaThixo, wamfumana ehleli phantsi komterebhinti, wathi kuye, Ùnguye na umfo wakwaThixo lo ubevela kwaYuda? Wathi yena, Ndinguye.

15Wathi kuye, Hamba siye ekhaya, udle isonka.

16Wathi yena, Andinakubuya nawe; andinakungena nawe; andiyi kudla sonka, andiyi kusela manzi nawe kule ndawo;

17kuba kuthiwe kum lilizwi likaYehova, Uze ungadli sonka, ungaseli manzi khona, ungabuyi uhambe ngendlela obuze ngayo.

18Wathi kuye, Ndingumprofeti nam njengawe; kuthethe isithunywa sezulu kum ngelizwi likaYehova, sisithi, Mbuyise, eze nawe endlwini yakho, adle isonka, asele amanzi.

19Watsho emxokisa. Wabuya ke naye, wadla isonka endlwini yakhe, wasela amanzi.

20Kwathi, behleli etafileni apho, kwafika ilizwi likaYehova kuloo mprofeti ubembuyisile;

21wankqangaza kuloo mfo wakwaThixo ubevele kwaYuda, esithi, Útsho uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba uwuphikisile umlomo kaYehova, akwawugcina umthetho abekuwisele uYehova uThixo wakho,

22wesuka wabuya, wadla isonka, wasela amanzi kule ndawo awathetha ngayo kuwe, esithi, Uze ungadli sonka, ungaseli manzi: isidumbu sakho asiyi kungena engcwabeni looyihlo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kwathi emveni kokudla kwakhe isonka, emveni kokusela kwakhe, wambophela iesile umprofeti lowo abembuyisile.

24Wahamba, wafunyanwa yingonyama endleleni, yambulala; sathi isidumbu sakhe saqungquluza endleleni; lema ecaleni laso iesile, nengonyama yema ecaleni lesidumbu eso.

25Kwabonakala kudlula amadoda; asibona isidumbu eso siqungquluzile endleleni, imi ingonyama leyo ecaleni lesidumbu; afika axela kuloo mzi, abehleli kuwo umprofeti obeseleyindoda enkulu.

26Weva umprofeti obembuyise endleleni, wathi, Ngulaa mfo wakwaThixo uwuphikisileyo umlomo kaYehova. UYehova umnikele engonyameni; yamqoba, yambulala ngokwelizwi likaYehova, abelithethe kuye.

27Wathetha koonyana bakhe, esithi, Ndibopheleni iesile. Balibopha.

28Wahamba ke, wasifumana isidumbu sakhe siqungquluzile endleleni, limi iesile nengonyama ecaleni lesidumbu, ingonyama ingasidlanga isidumbu, ingaliqobanga ne-esile.

29Wasifunqula umprofeti isidumbu somfo wakwaThixo, wasibeka e-esileni, wabuya naso. Weza ekhaya umprofeti lowo useleyindoda enkulu, ukuba ammbambazelele, amngcwabe.

30Wasibeka isidumbu engcwabeni lakhe, bammbambazelela besithi, Yoo! Mzalwana wam!

31Kwathi, emveni kokumngcwaba kwabo, wathetha koonyana bakhe, esithi, Ndákufa, ndingcwabeleni engcwabeni angcwatyelwe kulò umfo wakwaThixo; walaliseni ngasemathanjeni akhe amathambo am.

32Ngokuba, inene, liya kwenzeka ilizwi, alinkqangazileyo ngelizwi likaYehova esibingelelweni esiseBheteli, nasezindlwini zonke zasezigangeni, ezisemizini yakwaSamari.

33Emva koko uYarobheham akabuyanga endleleni yakhe embi; wabuya wenza ababingeleli bezigánga eluntwini lonke; wathi athe wamthanda, wammisela, waba ngowababingeleli bezigánga.

34Yathi loo nto yaba sisono sendlu kaYarobheham, ukuba itshone itshabalale, ingabikho phezu komhlaba.

OoKumkani I 14

Okuhlele intsapho kaYarobheham nokufa kwakhe

1Ngelo xesha wahliwa sisifo uAbhiya, unyana kaYarobheham.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Wathi uYarobheham kumkakhe, Khawusuke uzenze mntu wumbi, bangàkwazi
ukuba ungumka Yarobheham; uhambe uye eShilo; nanko apho uAhiya umprofeti,
owandixelelayo ukuba ndiya kuba ngukumkani waba bantu;

3uphathe esandleni sakho izonka ezilishumi, nemiqhathane, neselwa lobusi, uye
kuye: wókuxelela okuya kubakho kulo mntwana.

4Wenjenjalo umkaYarobheham, wesuka waya eShilo, wangena endlwini ka-Ahiya. Ke
kaloku uAhiya ebengenakubona, ngokuba amehlo akhe abenorhatyazo ngobudala
bakhe.

5Wathi uYehova kuAhiya, Nanko umkaYarobheham eza kubuza into kuwe ngonyana
wakhe; ngokuba esifa. Uze uthi, uthi, ukuthetha kuye; kuba wóthi ekungeneni
kwakhe, azenze mntu wumbi.

6Kwathi, akusiva uAhiya isingqi seenyawo zakhe, engena emnyango, wathi, Ngena,
mkaYarobheham, yini na ukuba uzenze mntu wumbi? Ndithunywe kuwe udaba
olubi.

7Yiya, uthi kuYarobheham, Utsho uYehova uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ngenxa enokuba
ndakuphakamisayo phakathi kwabantu, ndakwenza ingànga kubantu bam
amaSirayeli,

8ndabukrazula ubukumkani endlwini kaDavide, ndakunika; wesuka akwafuza
umkhonzi wam uDavide, owayigcinayo imithetho yam, owandilandelayo ngentliziyo
yakhe yonke, ukuba enze okuthe tye kodwa emehlweni am;

9wesuka wena wenza okubi ngaphezu kwabo bonke ababekho ngaphambi kwakho,
waya wazenzela thixo bambi, nemifanekiso etyhidiweyo, ukuba undiqumbise,
wandiphosa emva komhlana wakho:

10ngako oko, yabona, ndiya kuyizisela ububi indlu kaYarobheham, ndiyinqamle
kwaYarobheham yonke into eyindoda, ovalelweyo novulelweyo kwaSirayeli,
ndiwatshayele amavelamva endlu kaYarobheham, njengokutshayelwa kwelindle,
kude kuthi tu.

11OkaYarobheham ofela phakathi komzi, uya kudliwa zizinja; ofela endle, uya kudliwa
ziintaka zezulu; ngokuba uYehova ethethile.

12Suk' ume ke wena, uhambe uye endlwini yakho; ekungeneni kweenyawo zakho
kuwo umzi, úya kufa umntwana.

13Ommbambazelela onke amaSirayeli, amngcwabe; ngokuba nguye yedwa
kwaYarobheham, oya kungena engcwabeni; ngenxa yokuba kufunyenwe kuye kukho
into elungileyo, ebhekisele kuYehova, uThixo kaSirayeli, endlwini kaYarobheham.

14UYehova uya kuzivelisela ukumkani kwaSirayeli, oya kuyinqamla indlu
kaYarobheham loo mini, Ndisathetha ntoni na, sekunjalo nje?

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

15UYehova uya kubetha kumaSirayeli, njengengcongolo izanyazanyiswa emanzini, áwanyothule amaSirayeli emhlabeni olungileyo, awawunika ooyise, awachithachithele phesheya koMlambo, ngenxa enokuba enze ooAshera bawo, amqumbisa uYehova;

16áwanikele amaSirayeli ngenxa yesono sikaYarobheham, owonayo, wawonisa ngaso amaSirayeli.

17Wesuka ke umkaYarobheham, wahamba, wafika eTirtsa, wathi akuthi ukunyathela embundwini womnyango wendlu, wafa umntwana.

18Amngcwaba, ammbambazelela amaSirayeli onke ngokwelizwi likaYehova, awalithethayo ngomkhonzi wakhe, uAhiya umprofeti.

19Ezinye izinto zikaYarobheham, ukulwa kwakhe, nokulawula kwakhe, nanko kubhaliwe encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli.

20Imihla awayengukumkani ngayo uYarobheham ngamashumi amabini anesibini iminyaka; walala kooyise. UNadabhi, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

Ulawulo lukaRehabheham kwaYuda

21Ke uRehabheham, unyana kaSolomon, waye engukumkani kwaYuda. URehabheham ubeminyaka imashumi mané anamnye ezelwe ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinesixhenxe engukumkani eYerusalem, umzi awawunyulayo uYehova ezizweni zonke zakwaSirayeli, ukuba alibeke khona igama lakhe. Igama lonina belinguNahama, umAmonikazi.

22AmaYuda enza ububi emehlweni kaYehova, amkhweletisa ngaphezu kwako konke ababekwenzile ooyise ngezono zabo, ababesona ngazo.

23Azakhela nazo izingánga, nezimiso zamatye, nooAshera, ezindulini zonke eziphakamileyo, naphantsi kwemithi yonke eluhlaza.

24Kananjalo bekukho amang'awu elizweni, enza ngokwamasikizi onke eentlanga, awazigqogqayo uYehova phambi koonyana bakaSirayeli.

25Kwathi ngomnyaka wesihlanu wokumkani uRehabheham, kwenyuka uShishaki, ukumkani waseYiputa, wayifikela iYerusalem.

26Wabuthabatha ubuncwane bendlu kaYehova nobuncwane bendlu yokumkani; wabuthabatha bonke; wazithabatha zonke iingweletshetshe zegolide awazenzayo uSolomon.

27Ukumkani uRehabheham wenza iingweletshetshe zobhedu esikhundleni sazo, waziphathisa abathetheli bezigidimi ezibe zigcina umnyango wendlu yokumkani.

28Ubesakuthi, akuya ukumkani endlwini kaYehova, ziziphathe izigidimi ezo, zize zizibuyisele egumbini logcino lwezigidimi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Ezinye izinto zikaRehabheham, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

30Yaye iyimfazwe phakathi koRehabheham noYarobheham yonke imihla.

31URehabheham walala kooyise, wangcwatyelwa kooyise emzini kaDavide. Igama lonina belinguNahama, umAmonikazi. UAbhiyam, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

OoKumkani I 15

UAbhiyam noAsa ookumkani bakwaYuda; uNadabhi noBhahesha ookumkani bakwaSirayeli

1Ngomnyaka weshumi elinesibhozo wokumkani uYarobheham unyana kaNebhati, waba ngukumkani uAbhiyam kwaYuda.

2Waba neminyaka emithathu engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguMahaka, intombi ka-Abhisalom.

3Wahamba ezonweni zonke zikayise, awazenzayo ngaphambi kwakhe; yayingaphelele intliziyo yakhe kuYehova uThixo wakhe, njengentliziyo kaDavide uyise.

4Noko wathi uYehova uThixo wakhe, ngenxa kaDavide, wamnika isibane eYerusalem, sokumisa unyana wakhe emva kwakhe, sokumisa iYerusalem;

5ekubeni uDavide wakwenzayo okuthe tye emehlweni kaYehova, akatyeka kuko konke awawisayo ngako umthetho, yonke imihla yobomi bakhe, kwaba semcimbini kaUriya umHeti wodwa.

6Yaye iyimfazwe phakathi koRehabheham noYarobheham yonke imihla yobomi bakhe.

7Ezinye izinto zika-Abhiyam, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda? Yaye iyimfazwe ke phakathi koAbhiyam noYarobheham.

8UAbhiyam walala kooyise, bamngcwabela emzini kaDavide. UAsa, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

9Ngomnyaka wamashumi amabini kaYarobheham ukumkani wakwaSirayeli, uAsa waba ngukumkani kwaYuda.

10Waba neminyaka emashumi mané anamnye engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguMahaka, intombi ka-Abhisalom.

11UAsa wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, njengoDavide uyise.

12Wawakhwelelisa amang'awu, akabakho ezweni, wazisusa zonke izigodo ezizizithixo, ababezenzile ooyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13KwanoMahaka unina wamguzula, àkaba yinkosikazi; ngokuba wamenzela uAshera isithixo esilisikizi. Waza uAsa wasigawula isithixo sakhe esilisikizi, wasitshisa emlanjaneni oyiKidron.

14Ke izigánga azisuswanga; kodwa yona intliziyo ka-Asa yabe iphelele kuYehova yonke imihla yakhe.

15Wazingenisa izinto ezingcwele zikayise, nezakhe izinto ezingcwele, endlwini kaYehova, isilivere negolide nempahla.

16Yaye iyimfazwe phakathi koAsa noBhahesha, ukumkani wakwaSirayeli, yonke imihla yabo.

17Wenyuka uBhahesha ukumkani wakwaSirayeli, esiza kulwa namaYuda; wákha iRama, ukuba angavumi ukuba kuphume bani aye kuAsa ukumkani wakwaYuda.

18Wayithabatha uAsa yonke isilivere negolide ebisele ebuncwaneni bendlu kaYehova, nasebuncwaneni bendlu yokumkani, wayinikela ezandleni zabakhonzi bakhe. UAsa ukumkani wayithumela kuBhenhadade, unyana kaTabrimon, unyana kaHeziyon, ukumkani wakwa-Aram, ohleli eDamasko, esithi,

19Kukho umnqophiso phakathi kwam nawe, phakathi kobawo noyihlo; nanko, ndikuthuméle isipho sokukucenga sesilivere negolide; yiza, uwaphule umnqophiso wakho noBhahesha ukumkani wamaSirayeli, ukuba emke kum.

20UBhen-hadade wamphulaphula ukumkani uAsa, wathumela abathetheli bempi abenabo emizini yakwaSirayeli, waxabela i-Iyon, nowakwaDan, neAbhele-bhete-mahaka, ne-Kineroti yonke, kunye nelizwe lonke lakwaNafetali.

21Wathi, akuva uBhahesha, wayiyeka ukuyakha iRama, wahlala eTirtsa.

22Ukumkani uAsa wawahlabela umkhosi amaYuda onke, akwabakho namnye ukhululekileyo. Bawasusa amatye eRama, kwanemithi yayo abesakha ngayo uBhahesha ukumkani; uAsa wákha ke ngayo iGebha yakwaBhenjamin, neMizpa.

23Zonke ezinye izinto zika-Asa, nobugorha bakhe bonke, nako konke awakwenzayo, nemizi awayakhayo, ayibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda? Uthe ke akuba yindoda enkulu, wabulawa ziinyawo.

24UAsa walala kooyise, wangcwatyelwa kooyise, emzini kaDavide uyise. UYehoshafati, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

25UNadabhi, unyana kaYarobheham, waba ngukumkani kwaSirayeli ngomnyaka wesibini ka-Asa, ukumkani wakwaYuda; waba neminyaka emibini engukumkani kwaSirayeli.

26Wenza okubi emehlweni kaYehova, wahamba ngendlela kayise, nangesono sakhe awawonisa ngaso amaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Waza uBhahesha, unyana ka-Ahiya, wendlu kaIsakare, wamceba. UBhahesha wamxabela eGibheton yakumaFilisti, beyingqinga iGibheton uNadabhi namaSirayeli onke.

28UBhahesha wambulala ke ngomnyaka wesithathu ka-Asa ukumkani wakwaYuda, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

29Kwathi, xa angukumkani, wayibulala yonke indlu kaYarobheham; akasalisa namnye uphefumlayo kwaYarobheham, wada wamtshabalalisa, ngokwelizwi likaYehova, abelithethile ngomkhonzi wakhe uAhiya waseShilo:

30ngenxa yezono zikaYarobheham awona ngazo, awawonisa ngazo amaSirayeli; ngokumqumbisa kwakhe awamqumbisa ngako uYehova uThixo kaSirayeli.

31Ezinye izinto zikaNadabhi, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

32Yaye iyimfazwe phakathi koAsa noBhahesha, ukumkani wakwaSirayeli, yonke imihla yabo.

33Ngomnyaka wesithathu ka-Asa ukumkani wakwaYuda, uBhahesha, unyana ka-Ahiya, waba ngukumkani kumaSirayeli onke eTirtsa; iminyaka yaba ngamashumi amabini anaminé.

34Wenza okubi emehlweni kaYehova, wahamba ngendlela kaYarobheham, nangesono sakhe awawonisa ngaso amaSirayeli.

OoKumkani I 16

UEla, uZimri, no-Omri ookumkani bakwaSirayeli

1Lafika ke ilizwi likaYehova kuYehu, unyana kaHanani, ngenxa kaBhahesha, lisithi,

2Ngenxa enokuba ndakuphakamisayo eluthulini, ndakwenza ingànga yabantu bam amaSirayeli, wesuka wena wahamba ngendlela kaYarobheham, abantu bam amaSirayeli wabonisa ukuba bandiqumbise ngezono zabo:

3yabona, ndiyawatshayela amavela-mva kaBhahesha, namavela-mva endlu yakhe, ndiyènze indlu yakho ibe njengendlu kaYarobheham, unyana kaNebhati.

4OkaBhahesha ofela phakathi komzi, uya kudliwa zizinja; owakhe ofela endle, uya kudliwa ziintaka zezulu.

5Ezinye izinto zikaBhahesha, nawakwenzayo, nobugorha bakhe, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

6UBhahesha walala kooyise, wangcwatyelwa eTirtsa. UEla, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

7Kananjalo ngesandla sikaYehu, unyana kaHanani, umprofeti, lafika ilizwi likaYehova kuBhahesha nakwindlu yakhe, nangenxa yobubi bonke awabenzayo emehlweni

© 1975 Bible Society of South Africa.

kaYehova, ukumqumbisa ngezenzo zezandla zakhe, ukuba ibe njengendlu kaYarobheham, nangenxa yokuba wamxabelayo.

8Ngomnyaka wamashumi omabini anamithandathu ka-Asa, ukumkani wakwaYuda, waba ngukumkani uEla unyana kaBhahesha, kwaSirayeli eTirtsa; yaba yiminyaka emibini.

9Wamceba umkhonzi wakhe uZimri, umthetheli wesiqingatha seenqwelo zakhe zokulwa, eseTirtsa, esela enxila endlwini ka-Arza, owayephethe indlu yakhe eTirtsa.

10Wangena ke uZimri, wamxabela, wambulala, ngomnyaka wamashumi amabini anesixhenxe ka-Asa ukumkani wakwaYuda; waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

11Kwathi, akuba ngukumkani, kwaesaqala ukuhlala etroneni yakhe, wayixabela yonke indlu kaBhahesha, akamsalisela nanye into eyindoda, nongumzalwana wakhe, nongumhlobo wakhe.

12Wayitshabalalisa uZimri yonke indlu kaBhahesha ngokwelizwi likaYehova, awalithethayo kuBhahesha ngoYehu umprofeti;

13ngenxa yezono zonke zikaBhahesha, nezono zikaEla unyana wakhe, abóna ngazo, abawonisa ngazo amaSirayeli, ukumqumbisa uYehova uThixo kaSirayeli ngeento zabo ezingento.

14Ezinye izinto zikaEla, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

15Ngomnyaka wamashumi omabini anesixhenxe ka-Asa, ukumkani wakwaYuda, uZimri waba nemihla esixhenxe engukumkani eTirtsa. Abantu babemise iintente eGibheton eyeyamaFilisti.

16Beva abantu ababemise khona, kusithiwa, UZimri umcebile, kananjalo umbulele ukumkani. Onke amaSirayeli amenza ukumkani kumaSirayeli uOmri, umthetheli-mkhosi, kwangaloo mini emkhosini.

17Wenyuka ke uOmri enamaSirayeli onke esuka eGibheton, ayingqinga iTirtsa.

18Kwathi, akubona uZimri ukuba uza kuthinjwa umzi, wangena enqabeni yendlu yokumkani, wayitshisa ngomlilo phezu kwakhe indlu yokumkani, wafa;

19ngenxa yezono zakhe awona ngazo, wenza okubi emehlweni kaYehova, wahamba ngendlela kaYarobheham, nangezono zakhe awazenzayo wawonisa ngazo amaSirayeli.

20Ezinye izinto zikaZimri, nokuceba kwakhe awaceba ngako, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

21Baza bahluka kubini abantu bakwaSirayeli: esinye isahlulo sabantu salandela uTibheni, unyana kaGinati, ukuba simenze ukumkani; esinye isahlulo salandela uOmri.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Abantu ababelandela uOmri baboyisa abo bantu babelandela uTibheni, unyana kaGinati; wafa uTibheni; waba ngukumkani uOmri.

23Ngomnyaka wamashumi amathathu anamnye ka-Asa ukumkani wakwaYuda, uOmri waba ngukumkani wamaSirayeli, iminyaka yaba lishumi elinamibini; waba ngukumkani eTirtsa iminyaka emithandathu.

24Waza wathenga intaba yakwaSamari kuSamari ngeetalente ezimbini zesilivere, wákha kuloo ntaba, wathi igama laloo mzi wawakhayo yiSamari, ngegama likaSamari umninintaba.

25UOmri wenza okubi emehlweni kaYehova; wenza okubi ngaphezu kwabo bonke ababengaphambi kwakhe.

26Wahamba ngendlela yonke kaYarobheham unyana kaNebhati, nangezono zakhe awawonisa ngazo amaSirayeli, ukumqumbisa uYehova uThixo kaSirayeli ngezinto zabo ezingento.

27Ezinye izinto zikaOmri awazenzayo, nobugorha bakhe awabenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

28UOmri walala kooyise, wangcwatyelwa kwaSamari, uAhabhi unyana wakhe waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

UAhabhi ukumkani wakwaSirayeli

29UAhabhi, unyana kaOmri, waba ngukumkani kumaSirayeli ngomnyaka wamashumi omathathu anesibhozo ka-Asa, ukumkani wakwaYuda; uAhabhi unyana kaOmri waba neminyaka emashumi mabini anamibini engukumkani kumaSirayeli kwaSamari.

30UAhabhi unyana kaOmri wenza okubi emehlweni kaYehova ngaphezu kwabo bonke ababengaphambi kwakhe.

31Ke, ngokungathi kulula kuye ukuhamba ngezono zikaYarobheham unyana kaNebhati, wesuka wazeka uIzebhele, intombi kaEtebhahali ukumkani wamaTsidon, wangumkakhe; waya wakhonza uBhahali, wamnqula.

32Wammisela uBhahali isibingelelo, endlwini kaBhahali, abemakhele yona kwaSamari.

33UAhabhi wenza uAshera; uAhabhi waqokela ukumqumbisa uYehova uThixo wakwaSirayeli, ngaphezu kwabo bonke ookumkani bakwaSirayeli ababengaphambi kwakhe.

34Ngeemini zakhe wayakha uHiyeli waseBheteli iYeriko; wayiseka ngoAbhiram, amazibulo akhe, wawamisa amasango ayo ngoSegubhi, owamathumbu akhe, ngokwelizwi likaYehova, awalithethayo ngoYoshuwa unyana kaNun.

OoKumkani I 17

© 1975 Bible Society of South Africa.

UEliya wondliwa ngamahlungulu; uvusa unyana womhlolokazi

1Wathi uEliya waseTishbhi, wasezindwendweni zaseGiliyadi, kuAhabhi, Ehleli nje uYehova uThixo wakwaSirayeli, endimi phambi kwakhe, akuyi kukha kubekho mbethe namvula le minyaka, kungengálo ilizwi lam.

2Lafika ilizwi likaYehova kuye, lisithi,

3Hamba umke apha, ubheke empumalanga, uzimele emlanjaneni oyiKeriti, okhangelene neYordan.

4Wòthi usele emlanjaneni apho; ndiwawísele umthetho amahlungulu ukuba akuxhase khona.

5Wahamba ke wenza ngokwelizwi likaYehova, waya wahlala emlanjaneni oyiKeriti, okhangelene neYordan.

6Amahlungulu amzisela isonka nenyama kusasa, isonka nenyama ngokuhlwa, wasela emlanjaneni apho.

7Kuthe, kwakuhamba ixesha, watsha umlanjana, ngokuba bekungabangakho mvula ezweni.

8Lafika ilizwi likaYehova kuye, lisithi,

9Suka uye eTsarfati yaseTsidon, uhlale khona; ùyabona, ndimwisele umthetho khona umfazi ongumhlolokazi, ukuba akuxhase.

10Wesuka ke waya eTsarfati, wafika esangweni lomzi; nanko kukho apho umfazi ongumhlolokazi echola iinkuni; wambiza, wathi, Khawundikhelele intwana yamanzi ngesitya, ndisele.

11Waya kuwakha; wambiza, wathi, Khawundiphathele neqhekeza lesonka ngesandla.

12Wathi, Ehleli nje uYehova, uThixo wakho, andinasonka; ngumgubo ongázalisa isandla emphandeni, nentwana yeoli eselweni; uyabona ke, ndichola iinkuni ezimbini, ukuba ndiye ndenzele mna nonyana wam, sidle, sife.

13Wathi uEliya kuye, Musa ukoyika; yiya, wenze ngokwelizwi lakho; kodwa ke ndénzele isonkana ngawo ukuqala, undizisele, uzenzele ke wena nonyana wakho emveni koko.

14Ngokuba utsho uYehova, uThixo wakwaSirayeli, ukuthi, Umphanda womgubo awuyi kuphela, neselwa leoli aliyi kuminyelelwa, ide ifike imini aya kuyinisa ngayo imvula uYehova phezu komhlaba.

15Waya ke, wenza ngokwelizwi likaEliya, wadla yena, naye, nendlu yakhe, zaziintsuku.

16Umphanda womgubo awuphelanga, iselwa leoli alaminyelelwa, ngokwelizwi likaYehova, awalithethayo ngoEliya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kwathi emveni kwezo zinto, wahliwa sisifo unyana waloo mfazi ungumnikazindlu; sathi isifo sakhe saba nzima kakhulu, kwada akwabakho kuphefumla kuye.

18Wathi kuEliya, Yintoni na enam nawe, mfo wakwaThixo? Uzé kum, ukuba undikhumbuze ubugwenxa bam, umbulale unyana wam?

19Wathi kuye, Ndinike unyana wakho. Wamthabatha ke esifubeni sakhe, wenyuka naye, waya egumbini eliphezulu abehlala kulo, wamlalisa phezu kwesingqengqelo sakhe.

20Wanqula uYehova, wathi, Yehova Thixo wam, ùmenzéle ububi nomhlolokazi lo na ndiphambukele kuye, ngokubulala unyana wakhe?

21Wazolula phezu komntwana izihlandlo zazithathu, wanqula uYehova, wathi, Yehova Thixo wam, mawukhe ubuyele phakathi kwakhe umphefumlo walo mntwana.

22Waliva uYehova ilizwi likaEliya; wabuyela phakathi kwakhe umphefumlo waloo mntwana, waphila.

23Wamthabatha uEliya umntwana, wehla naye egumbini eliphezulu, waya endlwini, wamnika unina; wathi uEliya, Uyabona, úphilile unyana wakho.

24Wathi loo mfazi kuEliya, Kaloku ke ndiyazi ukuba ungumfo wakwaThixo wena, nelizwi likaYehova elisemlonyeni wakho liyinyaniso.

OoKumkani I 18

Ukuhlangana kukaEliya noAhabhi, nempikiswano yakhe nabaprofeti bakaBhahali

1Kwathi kwakuba mzuzu, lafika ilizwi likaYehova kuEliya ngomnyaka wesithathu, lathi, Hamba uye kubonana noAhabhi, ndinìse imvula phezu komhlaba.

2Wahamba waya kubonana uEliya noAhabhi. Indlala ke yayinzima kwaSamari.

3UAhabhi wayebize uObhadiya, obephethe indlu yakhe (uObhadiya ke wayemoyika uYehova kunene:

4wayethe yena ekubanqamleni kukaIzebhele abaprofeti bakaYehova, uObhadiya wathabatha ikhulu labaprofeti, wabazimeza ngamashumi ngamahlanu, ngamashumi ngamahlanu, emqolombeni, wabondla ngesonka namanzi).

5Wathi ke uAhabhi kuObhadiya, Hamba uye ezweni, emithonjeni yonke yamanzi nasemilanjaneni yonke; mhlawumbi sofumana utyani, siphilise amahashe noondlebende, zingabuthisi zonke iinkomo.

6Balahlula ilizwe phakathi kwabo, ukuba bacande kulo; uAhabhi wahamba ngenye indlela yedwa, uObhadiya wahamba ngenye indlela yedwa.

7Kwathi ke, esendleleni uObhadiya, wabonakala uEliya emkhawulela, wamazi, wawa ngobuso, wathi, Nguwe na lo, nkosi yam Eliya?

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wathi yena kuye, Ndim. Hamba uye kuthi enkosini yakho, Nanku elapha uEliya.

9Wathi, Ndenzé sono sini na, ukuba umnikele umkhonzi wakho esandleni sika-Ahabhi ukuba andibulale?

10Ehleli nje uYehova uThixo wakho, akukho luhlanga nabukumkani, apho ingathumelanga khona inkosi yam, ikufuna; bakùthi, Akakho, yabafungisa ubukumkani nohlanga olo, ukuthi akufumanekanga.

11Kaloku ke ùthi, Hamba uye kuthi enkosini yakho, Nanku elapha uEliya.

12Kothi, ndithe ndemka kuwe, uMoya kaYehova akuthwàlele apho ndingaziyo; ndiye ndixelele uAhabhi, angakufumani, andibulale; umkhonzi wakho lo umoyiké uYehova kwasebuncinaneni bam.

13Bekungaxelwanga na enkosini yam endakwenzayo ekubabulaleni kukaIzebhele abaprofeti bakaYehova, ndazimeza ikhulu lamadoda kubaprofeti bakaYehova, ngamashumi ngamahlanu, ngamashumi ngamahlanu, emqolombeni, ndabondla ngesonka nangamanzi?

14Kaloku ke ùthi, Hamba uye kuthi enkosini yakho, Nanku elapha uEliya; ukuze indibulale.

15Wathi uEliya, Ehleli nje uYehova wemikhosi, endimiyo phambi kwakhe, inene, namhlanje ndiya kubonana naye.

16UObhadiya waya kumkhawulela ke uAhabhi, wamxelela; wahamba uAhabhi, waya kumkhawulela uEliya.

17Kwathi, uAhabhi akumbona uEliya, wathi uAhabhi kuye, Ùlapha na wena, uwahlisele intlekele amaSirayeli?

18Wathi yena, Andiwahliselanga ntlekele amaSirayeli; nguwe nendlu kayihlo, ngokuyishiya kwenu imithetho kaYehova, walandela ooBhahali.

19Ke ngoko, thumela uwahlanganisele kum amaSirayeli onke entabeni yeKarmele, nabaprofeti bakaBhahali abangamakhulu amané anamanci mahlanu, nabaprofeti baka-Ashera abangamakhulu amané, abadla etafileni kaIzebhele.

20Wathumela ke uAhabhi koonyana bonke bakaSirayeli, wabahlanganisela abaprofeti entabeni yeKarmele.

21Wafika uEliya ebantwini abo bonke, wathi, Koda kube nini na nimbaxa? Ukuba uYehova nguThixo, landelani yena; ke ukuba nguBhahali uThixo, landelani yena. Àbamphendula nezwi abantu.

22Wathi uEliya ebantwini, Kusele mna ndodwa umprofeti kaYehova; ke abakaBhahali abaprofeti ngamakhulu amané anamanci amahlanu amadoda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Masinikwe iinkunzi ezintsha zibe mbini, bazinyulele ke enye inkunzi entsha, bayityatye, bayibeke phezu kweenkuni, bangafaki mlilo; nam ndíyilungise enye inkunzi entsha, ndiyibeke phezu kweenkuni, ndingafaki mlilo.

24Nize ninqule igama lothixo wenu, mna ndinqule igama likaYehova; athi, uThixo othe waphendula ngomlilo, abe nguye uThixo. Baphendula bonke abantu bathi,

25Lihle elo lizwi. Wathi ke uEliya kubaprofeti bakaBhahali, Zinyuleleni inkunzi entsha ibe nye, nizenzele kuqala; ngokuba nibaninzi nina; ninqule igama lothixo wenu, ningafaki mlilo.

26Bayithabatha ke inkunzi entsha ababeyinikiwe, bayilungisa, banqula igama likaBhahali, beqale kusasa kwada kwaba semini enkulu, besithi, Bhahali, síphendule. Akwabakho zwi, akwabakho uphendulayo. Baxhentsa ngasesibingelelweni esasenziwe.

27Kwathi emini enkulu, uEliya wadlala ngabo, esithi, Nqulani ngezwi elikhulu, ngokuba enguthixo; ingabi usacinga, ingabi uthe gu bucala, ingabi useluhambeni; ingabi mhlawumbi ulele, unokuba avuswe.

28Banqula ngezwi elikhulu ke, bazicenta ngokwesiko labo ngamakrele nangezikhali, lada latsaza igazi kubo.

29Kwathi emveni kwemini enkulu, baprofeta kwada kwesa ekunyusweni komnikelo wokudla wangokuhlwa; akwabakho lizwi, akwabakho uphendulayo, akwabakho ubeke indlebe.

30Wathi uEliya ebantwini bonke, Sondelani kum apha. Basondela ke abantu bonke kuye. Wabuya wasakha isibingelelo sikaYehova esibe sidiliziwe.

31UEliya wathabatha amatye alishumi elinamabini, ngokwenani lezizwe zoonyana bakaYakobi, eleza kuye ilizwi likaYehova lisithi, Liya kuba nguSirayeli igama lakho.

32Wákha ngamatye lawo isibingelelo egameni likaYehova, wenza umsele olingene iiseha ezimbini zembewu, ngeenxa zonke esibingelelweni.

33Wazilungisa iinkuni, wayityatya inkunzi entsha, wayibeka phezu kweenkuni.

34Wathi, Zalisani imiphanda ibe miné ngamanzi, niwagalele phezu kwedini elinyukayo, naphezu kweenkuni; wathi, Phindani okwesibini; baphinda okwesibini. Wathi, Phindani okwesithathu; baphinda okwesithathu.

35Ahamba amanzi ngeenxa zonke esibingelelweni; wawuzalisa nomsele ngamanzi.

36Kwathi ekunyusweni komnikelo wokudla wangokuhlwa, wasondela uEliya umprofeti, wathi, Yehova, Thixo ka-Abraham, kaIsake, kaSirayeli, namhla makwaziwe ukuba nguwe uThixo kwaSirayeli; ukuba ndingumkhonzi wakho mna; ukuba ndizenzé zonke ezi zinto ngelizwi lakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Ndíphendule, Yehova, ndíphendule, bazi aba bantu ukuba wena Yehova unguThixo, ukuba uyiguqulele kuwe intliziyo yabo.

38Wawa ke umlilo kaYehova, walidla idini elinyukayo, kwaneenkuni, kwanamatye, kwanomhlaba; namanzi abe esemseleni wawakhotha.

39Babona bonke abantu, bawa ngobuso, bathi, UYehova nguye uThixo, uYehova nguye uThixo.

40Wathi uEliya kubo, Babambeni abaprofeti bakaBhahali; makungasindi namnye kubo. Bababamba ke; uEliya wabahlisela emlanjaneni oyiKishon, wababulalela khona.

41Wathi uEliya kuAhabhi, Nyuka uye kudla, usele; ngokuba kuvakala ulwandile lwemvula enkulu.

42Wenyuka ke uAhabhi, waya kudla, waya kusela. Ke uEliya wenyuka waya encotsheni yeKarmele, waqondela emhlabeni, wabufaka ubuso bakhe phakathi kwamadolo akhe.

43Wathi kwindodana yakwakhe, Khawunyuke, ukhangele ngeli cala laselwandle. Yenyuka, yakhangela, yathi, Akukho nto. Wathi, Buya uye, izihlandlo zibe sixhenxe.

44Kwathi ke ngesesixhenxe, yathi, Ndibona ilifana elingangesandla somntu, liphuma elwandle. Wathi, Nyuka uye uthi kuAhabhi, Bopha, uhle, ingakuvingceli imvula.

45Kwathi ke kwakamsinya lasuka izulu lamnyama ngamafu nomoya; kwabakho imvula enkulu. Wakhwela uAhabhi, waya eYizereli.

46Safika ke isandla sikaYehova kuEliya; wazibhinqisa, wagidima phambi koAhabhi, kwada kwaba sekungeneni eYizereli.

OoKumkani I 19

UEliya eHorebhe

1UAhabhi wamxelela uIzebhele konke awakwenzayo uEliya, nokubabulala kwakhe abaprofeti bonke ngekrele.

2UIzebhele wathuma umthunywa kuEliya, esithi, Mabenjenje oothixo kum baqokele ukwenjenje, ukuba andithanga, mayela ngeli xa ngomso, ndiwenze umphefumlo wakho ube njengomphefumlo womnye kubo.

3Wabona, wesuka wahambela ukusindisa umphefumlo wakhe. Waya eBher-shebha, eyeyakwaYuda, wayishiya khona indodana yakwakhe.

4Wahamba entlango uhambo lwemini enye, waya wahlala phantsi konwele, wazicelela ukuba afe, wathi, Kwanele ngoku, Yehova; wuthabathe umphefumlo wam, ngokuba ndingàlungile ngaphezu koobawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wangqengqa ke, wozela, walala phantsi konwele. Kwabonakala khona isithunywa
sezulu simshukumisa, sathi kuye, Vuka udle.

6Wakhangela, nanko kukho ngasentlokweni yakhe iqebengwana elosiweyo lesonka,
neselwa lamanzi. Wadla ke, wasela, wabuya walala.

7Sabuya isithunywa sikaYehova okwesibini, samshukumisa, sathi, Vuka udle, ngokuba
uhambo lukhulu kuwe.

8Wavuka ke, wadla wasela, wahamba ngamandla oku kudla iimini ezimashumi mané
nobusuku obumashumi mané, wada wafika entabeni kaThixo eHorebhe.

9Waya emqolombeni apho, walala khona. Nalo ilizwi likaYehova lifika kuye. Wathi
kuye, Ùyintoni na apha, Eliya?

10Wathi yena, Ndenziwe likhwele ngenxa kaYehova, uThixo wemikhosi; ngokuba
bawushiyile umnqophiso wakho oonyana bakaSirayeli, izibingelelo zakho
bazigungxula, abaprofeti bakho bababulala ngekrele; ndasala ndedwa; bafuna
umphefumlo wam ke, ukuba bawukhuphe.

11Wathi, Phuma, ume entabeni phambi koYehova. Nanko uYehova edlula, nomoya
omkhulu onamandla uzikrazula iintaba, uziqhekeza iingxondorha phambi koYehova,
engekho uYehova emoyeni lowo. Emveni komoya kwakho inyikima, akabakho
uYehova enyikimeni.

12Emveni kwenyikima kwabakho umlilo. Akabakho uYehova emlilweni; emveni
komlilo kwabakho ulwandile lokuphephezela okuhle.

13Kwathi, akuva uEliya, wabugqubuthela ubuso bakhe ngengubo yakhe enkulu,
waphuma wema esangweni lomqolomba; nanko kufika kuye ilizwi, lisithi, Ùyintoni na
apha, Eliya?

14Wathi, Ndenziwe likhwele ngenxa kaYehova, uThixo wemikhosi; ngokuba
bawushiyile umnqophiso wakho oonyana bakaSirayeli, izibingelelo zakho
bazigungxula, abaprofeti bakho bababulala ngekrele; ndisele ndedwa; bafuna
umphefumlo wam ke, ukuba bawukhuphe.

15Wathi uYehova kuye, Hamba ubuye ngendlela yakho, uye entlango yaseDamasko,
uye uthambise uHazayeli, abe ngukumkani kuma-Aram;

16uthambise uYehu, unyana kaNimshi, abe ngukumkani kumaSirayeli; uthambise
uElisha, unyana kaShafati waseAbhelemehola, abe ngumprofeti esikhundleni sakho.

17Kothi ke, athi osinde ekreleni likaHazayeli, abulawe nguYehu; athi osinde ekreleni
likaYehu, abulawe nguElisha.

18Ke ndozishiyela kwaSirayeli isixhenxe samawaka, amadolo onke angaguqanga
kuBhahali, imilomo yonke engamanganga.

UElisha ulandela uEliya

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Wemka ke apho, wafumana uElisha, unyana kaShafati, elima; kukho ishumi elinesibini leedyokhwe phambi kwakhe; yena ke elunge neyeshumi elinesibini. UEliya wegqitha kuye, waphosa ingubo yakhe enkulu kuye.

20Wazishiya iinkabi, wabaleka emva koEliya, wathi, Makhe ndiye kwanga ubawo noma, ndikulandele ke. Wathi kuye, Hamba ubuye; ndikwenzé ntoni na?

21Wabuya ke ekumlandeleni, wazithabatha iinkabi zedyokhwe enye, wabingelela ngazo, wayipheka inyama ngeempahla zeenkabi ezo, wanika abantu, badla. Wesuka ke, walandela uEliya, wamlungiselela.

OoKumkani I 20

UAhabhi woyisa uBhen-hadade, ukumkani wama-Aram

1Ke kaloku uBhen-hadade, ukumkani wama-Aram, wayibutha yonke impi yakhe; enokumkani abangamashumi amathathu anababini, namahashe, neenqwelo zokulwa; wenyuka, wawungqinga umzi wakwaSamari, walwa nawo.

2Wathumela abathunywa kuAhabhi, ukumkani wakwaSirayeli, kuloo mzi, wathi kuye,

3Utsho uBhenhadade ukuthi, Isilivere yakho negolide yakho yeyam, nabafazi bakho nabantwana bakho abo bahle ngabam.

4Waphendula ukumkani wakwaSirayeli, wathi, Ngokwelizwi lakho, nkosi yam, kumkani, ndingowakho, nako konke endinako.

5Baphinda abathunywa, bathi, Utsho uBhen-hadade ukuthi, Ndathumela kuwe, ndisithi, ndinike isilivere yakho, negolide yakho, nabafazi bakho, nabantwana bakho;

6ukuba ndithe, mayela neli xa ngomso, ndabathumela kuwe abakhonzi bam, bayigquthagqutha indlu yakho, nezindlu zabakhonzi bakho: bothi, konke okuthandekayo emehlweni akho bakuthabathe ngesandla sabo, bemke nako.

7Ukumkani wakwaSirayeli wabiza onke amadoda amakhulu elizwe, wathi, Qondani ke nibone, ukuba lo ungxamele ububi; ngokuba ubethumele kum, ebiza abafazi bam, nabantwana bam, nesilivere yam, negolide yam; andamangala.

8Athi kuye onke amadoda amakhulu nabantu bonke, Musa ukuphulaphula, uze ungavumi.

9Wathi ke kubathunywa bakaBhen-hadade, Nothi enkosini yam ukumkani, Yonke into obumthume yona umkhonzi wakho ngokokuqala, ndoyenza; le nto yona andinakuyenza. Bemka ke abathunywa, babuya nelo lizwi.

10Wathumela uBhen-hadade kuye, wathi, Mabenjenje oothixo kum, baqokele ukwenjenje, ukuba luthe uthuli lwakwaSamari lwalingana ukuzalisa izandla zabantu bonke abandilandelayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Waphendula ukumkani wakwaSirayeli, wathi, Yithini, Makangaqhayisi osabhinqa ikrele, njengoselelikhulula.

12Kwathi, akuliva elo zwi uBhen-hadade, akubon' ukuba uyasela, yena nokumkani abo eminqubeni, wathi kubakhonzi bakhe, Yakhani uluhlu. Balwakha ke uluhlu kuloo mzi.

13Kwabonakala mprofeti uthile, wafika kuAhabhi ukumkani wakwaSirayeli, wathi, Utsho uYehova ukuthi, Ùyibonile na yonke le ngxokolo ingakanana? Yabona ndiyiníkele esandleni sakho namhla; wazi ukuba ndinguYehova.

14Wathi ke uAhabhi, Ngabani na? Wathi yena, Utsho uYehova ukuthi, Ngamadodana abathetheli bamazwe. Wathi, Ngubani na oya kuqala ukulwa? Wathi, Nguwe lo.

15Wawabala ke amadodana abathetheli bamazwe, aba ngamakhulu amabini anamanci mathathu anamabini; emva kwawo wababala bonke abantu; bonke oonyana bakaSirayeli baba ngamawaka asixhenxe.

16Baphuma emini enkulu. Ke kaloku uBhen-hadade ubesela, enxila eminqubeni, yena nookumkani abamashumi mathathu anababini, ookumkani abo bamncedisayo.

17Aphuma kuqala amadodana abathetheli bamazwe. Wathumela uBhen-hadade, bamxelela, besithi, Kuphume amadoda kwaSamari.

18Wathi, Nokuba aphumele uxolo, wabambeni ehleli; nokuba aphumele ukulwa, wabambeni ehleli.

19Aphuma ke la madodana abathetheli bamazwe kuwo umzi, nempi ebiwalandela.

20Yaba ngulowo wabulala umntu; asaba ke ama-Aram; amaSirayeli awasukela. Wasinda uBhen-hadade ukumkani wakwa-Aram ngehashe, enabamahashe.

21Waphuma ukumkani wakwaSirayeli, wawaxabela amahashe neenqwelo zokulwa; waxabela phakathi kwama-Aram ngoxabelo olukhulu.

22Wafika umprofeti lowa kukumkani wakwaSirayeli, wathi kuye, Hamba uye kuzomeleza, ukúqonde ukubone okwenzayo; ngokuba ukuvela komnyaka, ukumkani wakwa-Aram uya kunyuka alwe nawe.

23Ke kaloku abakhonzi bokumkani bakwa-Aram bathi kuye, Ngoothixo basezintabeni oothixo babo, kuko le nto bomeleleyo kunathi; masilwe nabo ke emathafeni, ukuba asisayi komelela na kunabo.

24Yènza le nto: bashenxise ookumkani aba, elowo endaweni yakhe, umise amabamba ezikhundleni zabo;

25uzibalele impi engangempi le iwileyo kuwe, amahashe abe ngangaloo mahashe, iinqwelo zokulwa zibe ngangezo nqwelo zokulwa, silwe nabo ke emathafeni, ukuba asisayi komelela na kunabo. Waliphulaphula izwi labo, wenjenjalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Kwathi, ekuveleni komnyaka, wawabala uBhen-hadade ama-Aram, wenyuka waya
kulwa namaSirayeli eAfeki.

27Babalwa oonyana bakaSirayeli, baxhotyiswa baya kubahlangabeza. Bamisa
oonyana bakaSirayeli phambi kwabo, benjengemihlanjana emibini yeebhokhwe;
ama-Aram alizalisa ilizwe.

28Wafika umfo wakwaThixo, wathi kukumkani wamaSirayeli, Utsho uYehova ukuthi,
Ngenxa enokuba ethe ama-Aram, Nguthixo wasezintabeni uYehova, akanguthixo
wasezintilini, ndiya kuyinikela esandleni sakho yonke le ngxokolo ingaka, nazi ukuba
ndinguYehova.

29Yamisa ke, ikhangelene, imihla esixhenxe. Kwathi ngomhla wesixhenxe, yadibana.
Oonyana bakaSirayeli babulala kuma-Aram ikhulu lamawaka kumqikela ngamini-nye.

30Aseleyo asabela eAfeki, ela phakathi komzi. Kwawa udonga phezu kwamawaka
angamashumi amabini anamawaka asixhenxe amadoda aseleyo. Wasaba uBhen-
hadade, wangena kuloo mzi, wathungela amagumbi.

31Bathi kuye abakhonzi bakhe, Khawukhangele, sivile ukuba ookumkani bendlu
yakwaSirayeli ngookumkani abanenceba. Makhe sibeke iingubo ezirhwexayo
emanqeni, neentambo ezintlokweni zethu, siphume siye kukumkani wamaSirayeli;
mhlawumbi wowusindisa umphefumlo wakho.

32Babhinqa ke iingubo ezirhwexayo emanqeni, babeka iintambo ezintlokweni zabo,
baya kukumkani wakwaSirayeli, bathi, Umkhonzi wakho uBhen-hadade uthi,
Khawusindise umphefumlo wam. Wathi yena, Usaphilile na?

33Ngumzalwana wam. Loo madoda ke athi lithamsanqa, angxamisa ukumrhwebesha,
ukuba elo lelakhe na, athi, Ngumzalwana wakho uBhen-hadade. Wathi yena, Yiyani
kumthabatha. Waphuma uBhen-hadade weza kuye; wamkhwelisa enqwelweni.

34Wathi uBhen-hadade, kuye, Imizi awayithabathayo ubawo kuyihlo ndiya
kuyibuyisa; uzenzele izitrato eDamasko, njengoko wazenzayo ubawo kwaSamari.
Wathi uAhabhi, Ndiya kukundulula nalo mnqophiso. Wamenzela ke umnqophiso,
wamndulula.

UAhabhi uxelelwa indlela aza kufa ngayo

35Ke kaloku indoda ethile yakoonyana babaprofeti yathi kummelwane wayo ngelizwi
likaYehova, Khawundibethe.

36Akavuma loo mntu ukuyibetha. Yathi kuye, Ngenxa yokuba ungaliphulaphulanga
ilizwi likaYehova, uyabona, ekumkeni kwakho kum ùya kubulawa yingonyama.
Wemka kuyo; yamfumana ingonyama, yambulala.

37Yafumana mntu wumbi, yathi, Khawundibethe. Wayibetha ke loo mntu, wayibetha
wayilimaza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

38Wahamba umprofeti lowo, wamlinda ukumkani endleleni, wazenza mntu wumbi
ngokubopha iqhiya emehlweni.

39Kwathi, akubona ukuba uyadlula ukumkani, wamemeza kukumkani, wathi,
Umkhonzi wakho lo waphuma waya emfazweni phakathi; nanko kutyeka indoda,
yeza nomntu kum, yathi, Gcina lo mntu; ukuba uthe akabakho, umphefumlo wakho
woba sesikhundleni somphefumlo wakhe, okanye wohlawula ngetalente yesilivere.

40Akuba esebenza umkhonzi wakho lo apha naphaya, wesuka wathi shwaka. Wathi
ke ukumkani wakwaSirayeli kuye, Sinjalo isigwebo sakho; umise wagqiba.

41Wakhawuleza, wayisusa iqhiya emehlweni akhe. Wamazi ukumkani wakwaSirayeli,
ukuba ungowasebaprofetini.

42Wathi kuye, Útsho uYehova ukuthi, Ngenxa yokundulula kwakho esandleni indoda
endayisingela phantsi, umphefumlo wakho uya kuba sesikhundleni somphefumlo
wayo, nabantu bakho babe sesikhundleni sabantu bayo.

43Waya ukumkani wakwaSirayeli endlwini yakhe, ubuso ebuthe nkwa, ejalile, wafika
kwaSamari.

OoKumkani I 21

Isidiliya sikaNabhoti

1Kwathi emveni kwezo zinto, uNabhoti waseYizereli enesidiliya esiseYizereli,
ngasebhotweni lika-Ahabhi ukumkani wakwaSamari,

2wathetha uAhabhi kuNabhoti, wathi, Ndínike isidiliya sakho, ukuba sibe ngumyezo
wemifuno; ngokuba sisondelelene nendlu yam; ndokunika isidiliya esilungileyo
kuneso esikhundleni saso; ke ukuba kuthe kwalunga emehlweni akho, ndokunika
imali esilingeneyo.

3Wathi uNabhoti kuAhabhi, Makube lee kum ngenxa kaYehova, ukuba ndikunike ilifa
loobawo.

4UAhabhi waya endlwini yakhe ebuthe nkwa ubuso, ejalile, lilizwi abelithethile kuye
uNabhoti waseYizereli, wathi, Andiyi kukunika ilifa loobawo. Waya walala
esingqengqelweni, wabheka phaya; akadla nokudla.

5Wafika uIzebhele umkakhe kuye, wathi kuye, Yini na ukuba usangane kangaka,
ungadli nokudla?

6Wathi kuye, Kungokuba ndithethe kuNabhoti waseYizereli, ndathi kuye, Ndínike
isidiliya sakho ngemali; okanye ukuba ùyavuma, ndokunika esinye isidiliya
esikhundleni saso; wathi, Andiyi kukunika isidiliya sam.

7Wathi uIzebhele umkakhe kuye, Wena, abuphethwe nguwe na ngoku ubukumkani
bakwaSirayeli? Vuka udle ukudla, ichwayithe intliziyo yakho; ndokunika mna isidiliya
sikaNabhoti waseYizereli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wabhala iincwadi egameni lika-Ahabhi, wazitywina ngomsesane wakhe, wazithumela ezo ncwadi kumadoda amakhulu nakubanumzana ababekuloo mzi wakhe, ababehleli noNabhoti.

9Wabhala kwezo ncwadi, wathi, Memani uzilo lokudla, nimbeke uNabhoti phambi kwabantu;

10nibeke amadoda amabini angamatshijolo phambi kwakhe, angqine ngaye, athi, Wena uthuké uThixo nokumkani. Nize nimkhùphele phandle, nimgibisele ngamatye, afe.

11Amadoda omzi wakhe, amadoda amakhulu nabanumzana ababehleli kuloo mzi wakhe, bênza njengoko abebathumele ngako uIzebhele, njengoko kwakubhaliwe ezincwadini abezithumele kubo.

12Bamema uzilo lokudla, bambeka uNabhoti phambi kwabantu.

13Kwafika loo madoda mabini angamatshijolo, ahlala phambi kwakhe. Amadoda lawo angamatshijolo angqina ngaye uNabhoti phambi kwabantu, athi, UNabhoti uthuké uThixo nokumkani. Bamkhuphela ngaphandle komzi, bamgibisela ngamatye, wafa.

14Bathumela ke kuIzebhele, bathi, UNabhoti ugityiselwe ngamatye, wafa.

15Kwathi, akuva uIzebhele ukuba uNabhoti ugityiselwe ngamatye, wafa, wathi uIzebhele kuAhabhi, Suka, usithabathe isidiliya sikaNabhoti waseYizereli, abengavumi ukukunika ngemali; ngokuba uNabhoti akasekho, ufile.

16Kwathi, akuva uAhabhi ukuba uNabhoti ufile, wesuka uAhabhi, wehla, waya kusithabatha isidiliya sikaNabhoti waseYizereli.

17Lafika ilizwi likaYehova kuEliya waseTishbhi, lisithi,

18Suka uhle, uye kukhawulela uAhabhi ukumkani wakwaSirayeli okwaSamari; nanko esesidiliyeni sikaNabhoti, ehle waya kusithabatha.

19Uze uthethe kuye, uthi, Utsho uYehova ukuthi, Ùbuléle na, wathabatha na? Uthèthe kuye, uthi, Utsho uYehova ukuthi, Endaweni ezixhaphele kuyo izinja igazi likaNabhoti, ziya kulixhaphela khona izinja igazi lakho, wena lo.

20Wathi uAhabhi kuEliya, Ùndifumene na, lutshaba lwam? Wathi yena, Ndikufumene; ngenxa enokuba uzithengisele ukwenza okubi emehlweni kaYehova, uyabona,

21ndikuzisela ububi, ndíwatshayele amavela-mva akho, ndiyinqamle kwa-Ahabhi yonke into eyindoda, ovalelweyo novulelweyo kwaSirayeli.

22Ndoyenza indlu yakho ibe njengendlu kaYarobheham unyana kaNebhati, nanjengendlu kaBhahesha unyana ka-Ahiya, ngenxa yokuqumbisa ondiqumbise ngako, wawonisa amaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kananjalo wathetha uYehova ngoIzebhele, wathi, UIzebhele uya kudliwa zizinja emseleni wongqameko lwaseYizereli.

24Owakwa-Ahabhi ofela phakathi komzi, uya kudliwa zizinja; ofela endle, uya kudliwa ziintaka zezulu.

25(Kodwa bekungekho unjengoAhabhi, owazithengisela ukwenza okubi emehlweni kaYehova, owaxhokonxwayo nguIzebhele umkakhe.

26Wenza ngokwamasikizi kunene, ngokulandela izithixo ezizizigodo, njengoko ênza ngako ama-Amori, awawagqogqayo uYehova phambi koonyana bakaSirayeli.)

27Kwathi, akuweva uAhabhi loo mazwi kaEliya, wazikrazula iingubo zakhe, wabeka iingubo ezirhwexayo enyameni yakhe, wazila ukudla, walala ngeengubo ezirhwexayo, wahamba kuhle.

28Lafika ilizwi likaYehova kuEliya waseTishbhi, lisithi, Uyakubona na, ukuzithoba kwakhe uAhabhi ebusweni bam?

29Ngenxa enokuba ezithobile ebusweni bam, andiyi kubuzìza ububi emihleni yakhe; ndiya kuyizisela ububi indlu yakhe ngemihla yonyana wakhe.

OoKumkani I 22

Ukuhlasela kuka-Ahabhi iRamoti yaseGiliyadi, nokufa kwakhe

1Kwahlalwa iminyaka yamithathu, kungekho mfazwe phakathi kwama-Aram namaSirayeli.

2Kwathi ngomnyaka wesithathu wehla uYehoshafati, ukumkani wakwaYuda, waya kukumkani wakwaSirayeli.

3Wathi ukumkani wakwaSirayeli kubakhonzi bakhe, Anazi na ukuba iRamoti yaseGiliyadi yeyethu, ukanti sithe cwaka thina; asiyihluthi esandleni sokumkani wakwa-Aram?

4Wathi kuYehoshafati, Wòhamba na nam, silwe neRamoti yaseGiliyadi? Wathi uYehoshafati kukumkani wakwaSirayeli, Ndinjengawe; abantu bam banjengabantu bakho, amahashe am anjengamahashe akho.

5Wathi uYehoshafati kukumkani wakwaSirayeli, Khawubuze ilizwi likaYehova namhla.

6Wabahlanganisa ke ukumkani wakwaSirayeli abaprofeti, bekumakhulu amané amadoda, wathi kubo, Ndíye kulwa na neRamoti yaseGiliyadi, ndiyeke, kusini na? Bathi, Nyuka; iNkosi yoyinikela esandleni sokumkani.

7Wathi uYehoshafati, Akusekho mprofeti kaYehova na apha, sibuzise kuye?

8Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuYehoshafati, Kusekho indoda enye, esingabuzisa ngayo kuYehova; ke mna ndiyithiyile; ngokuba ayiprofeti okulungileyo ngam, iprofeta okubi: nguMikaya, unyana kaImla. Wathi uYehoshafati, Makangatsho ukumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Waza ukumkani wakwaSirayeli wabiza umbusi, wathi, Khawulezisa uMikaya unyana
kaImla, eze apha.

10Ke ukumkani wakwaSirayeli noYehoshafati, ukumkani wakwaYuda, wahlala elowo
etroneni yakhe, evethe iingubo zakhe, esandéni, ekungeneni esangweni
lakwaSamari; bonke abaprofeti beprofeta phambi kwabo.

11UZedekiya, unyana kaKenahana, wazenzela iimpondo zesinyithi, wathi, Utsho
uYehova ukuthi, Ùya kuwangqula ngazo ezi ama-Aram, ude uwagqibe.

12Bonke abaprofeti benjenjalo ukuprofeta, besithi, Nyuka, uye eRamoti yaseGiliyadi,
ube nempumelelo; uYehova uya kuyinikela esandleni sokumkani.

13Ke umthunywa, obeye kubiza uMikaya, wathetha kuye esithi, Khawubone, amazwi
abaprofeti athetha okuhle ngamlomo mnye kukumkani; izwi lakho makhe libe
njengelizwi labo, uthethe okuhle.

14Wathi uMikaya, Ehleli nje uYehova, athe wakuthetha kum uYehova, ndothetha
khona.

15Wafika kukumkani. Wathi ukumkani kuye, Mikaya, síye na eRamoti yaseGiliyadi
ukuba silwe, siyeke, kusini na? Wathi kuye, Nyuka, ube nempumelelo; uYehova uya
kuyinikela esandleni sokumkani.

16Wathi ukumkani kuye, Makube zizihlandlo ezingaphi na ndikufungisa, ukuba
ungandixeleli into engeyiyo inyaniso egameni likaYehova?

17Wathi yena, Ndiboné amaSirayeli onke elusali ezintabeni, njengempahla
emfutshane engenamalusi. Wathi uYehova, Aba àbanankosi; mababuyele elowo
endlwini yakhe enoxolo.

18Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuYehoshafati, Ndibe ndingatshongo na, ukuthi
kuwe, akayi kuprofeta okuhle ngam, woprofeta ububi bodwa?

19Wathi yena, Ngako oko, live ilizwi likaYehova: Ndimbonile uYehova ehleli etroneni
yakhe, umi wonke umkhosi wasemazulwini ngakuye, ngasekunene kwakhe
nangasekhohlo kwakhe;

20wathi uYehova, Ngubani na oya kulukuhla uAhabhi, enyuke aye awe eRamoti
yaseGiliyadi? Wenjenje lo ukuthetha, wenjenje lo ukuthetha.

21Waphuma ke umoya, wema phambi koYehova, wathi, Ndomlukuhla mna. Wathi
uYehova kuwo, Ngantoni na?

22Wathi wona, Ndophuma ndiye, ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni wabaprofeti
bakhe bonke. Wathi yena, Ùya kumlukuhla, efeze; phuma uye, wenjenjalo.

23Uyabona kaloku, uYehova ungenise umoya wobuxoki emlonyeni wâbo baprofeti
bakho bonke; uYehova uthethe okubi ngawe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Wesuka uZedekiya unyana kaKenahana, wafika wambetha uMikaya esidleleni, wathi, Ugqithe phi na kum uMoya kaYehova, ukuba aye kuthetha kuwe?

25Wathi uMikaya, Khangela, uya kubona ngaloo mini, uya kuza uthungèle amagumbi, uzimela.

26Wathi ukumkani wakwaSirayeli, Mthabathe uMikaya, ubuye naye, umse kuAmon umphathi womzi, nakuYowashe unyana wokumkani; uthi,

27Utsho ukumkani ukuthi, Mfakeni entolongweni lo, nimdlise isonka soxiniweyo, namanzi oxiniweyo, ndide ndibuye ndinoxolo.

28Wathi uMikaya, Ukuba ubuye wabuya unoxolo, wóba uYehova akathethanga ngam. Wathi, Yivani, nonke zizwe ziphela.

29Wenyuka ke ukumkani wakwaSirayeli noYehoshafati, ukumkani wakwaYuda, baya eRamoti yaseGiliyadi.

30Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuYehoshafati, Ndiya kuzenza mntu wumbi, ndingene ekulweni; yàmbatha iingubo zakho wena. Wazenza mntu wumbi ukumkani wakwaSirayeli, wangena ekulweni.

31Ke ukumkani wakwa-Aram wabawisela umthetho abathetheli bakhe beenqwelo zokulwa abamashumi mathathu anababini, wathi, Ize ningalwi nomncinane nomkhulu; yilwani nokumkani wakwaSirayeli yedwa.

32Kwathi, bakumbona uYehoshafati abathetheli beenqwelo zokulwa, bathi bona, Inene, ngukumkani wakwaSirayeli; batyeka ke, beza kulwa naye. Wakhala uYehoshafati.

33Kwathi, bakubona abathetheli beenqwelo zokulwa ukuba asinguye ukumkani wakwaSirayeli, babuya ekumsukeleni.

34Wathi umntu watyeda isaphetha, efunisela, watsho kukumkani wakwaSirayeli ekuhlanganeni kwengubo yentsimbi namasondo ayo. Wathi yena kumqhubi wenqwelo yakhe yokulwa, Jika izandla zakho, undise ngaphandle komkhosi, ngokuba ndingxwelerhiwe.

35Ukulwa kwenyuka loo mini. Ukumkani wazimisa enqwelweni phambi kwama-Aram, wafa ngokuhlwa; igazi lenxeba lakhe lankcenkceza, laya esiswini senqwelo.

36Kwavakala kukhwazwa emkhosini ukutshona kwelanga, kusithiwa, Elowo emzini wakhe! Elowo ezweni lakhe!

37Wafa ke ukumkani, waziswa kwaSamari. Bamngcwabela ukumkani kwaSamari.

38Yahlanjwa inqwelo yokulwa echibini lakwaSamari; izinja zalixhapha igazi lakhe (ehlamba apho amahenyukazi), ngokwelizwi likaYehova abelithethile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Ezinye izinto zika-Ahabhi, nako konke awakwenzayo, nendlu awayakhayo ngeempondo zeendlovu, nemizi yonke awayakhayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli? Walala uAhabhi kooyise;

40uAhaziya, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

UYehoshafati ukumkani wamaYuda noAhaziya ukumkani wamaSirayeli

41UYehoshafati, unyana ka-Asa, waba ngukumkani kwaYuda ngomnyaka wesiné ka-Ahabhi ukumkani wakwaSirayeli.

42UYehoshafati ube minyaka imashumi mathathu anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe. Waba neminyaka emashumi mabini anamihlanu engukumkani eYerusalem. Igama lonina lalinguAzubha, intombi kaShilehi.

43Wahamba ngeendlela zonke zika-Asa uyise, akatyeka kuzo; esenza okuthe tye emehlweni kaYehova; kodwa izigánga azisuswanga; abantu babesabingelela beqhumisela ezigangeni.

44UYehoshafati wahlalelana ngoxolo nokumkani wakwaSirayeli.

45Ezinye izinto zikaYehoshafati, nobugorha bakhe awabenzayo, nokulwa kwakhe, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

46Amasalela amang'awu, awasalayo ngemihla kayise uAsa, wawatshayela ezweni.

47Bekungekho kumkani oko kwaEdom. Bekulawula ibamba.

48UYehoshafti wenza iinqanawa zaseTarshishe zokuya kuthabatha igolide kwaOfire. Àzaya, ngokuba iinqanawa ezo zaphuka e-Etsiyon-gebhere.

49Waza wathi uAhaziya, unyana ka-Ahabhi, kuYehoshafati, Abakhonzi bam mabahambe nabakhonzi bakho ngeenqanawa.

50Àkavuma uYehoshafati. UYehoshafati walala kooyise, wangcwatyelwa kooyise emzini kaDavide uyise. UYehoram unyana wakhe waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

51UAhaziya, unyana ka-Ahabhi, waba ngukumkani kumaSirayeli kwaSamari ngomnyaka weshumi elinesixhenxe kaYehoshafati, ukumkani wakwaYuda, waba neminyaka emibini engukumkani kwaSirayeli.

52Wenza okubi emehlweni kaYehova, wahamba ngendlela kayise, nangendlela yonina, nangendlela kaYarobheham unyana kaNebhati, owawonisayo amaSirayeli.

53Wakhonza uBhahali, waqubuda kuye, wamqumbisa uYehova uThixo kaSirayeli, njengako konke awakwenzayo uyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

OoKumkani II

OoKumkani II 1

UEliya ubiza umlilo uhle ezulwini

1Ke kaloku amaMowabhi akreqa kumaSirayeli emva kokufa kuka-Ahabhi.

2UAhaziya wawa efestileni yegumbi lakhe eliphezulu elikwaSamari, wahliwa kukufa ke; wathuma abathunywa, wathi kubo, Hambani niye kubuzisa kuBhahali-zebhubhi, uthixo wase-Ekron, ukuba ndiya kuphila na kwesi sifo.

3Ke isithunywa sikaYehova sasithethile kuEliya waseTishbhi, sathi, Suka, unyuke uye kukhawulela abathunywa bokumkani wakwaSamari, uthethe kubo, uthi, Kungokuba kungekho Thixo kwaSirayeli na, le nto niya kubuzisa kuBhahalizebhubhi, uthixo wase-Ekron?

4Ngako oko utsho uYehova ukuthi, Isingqengqelo eso, ùnyuke waya kuso, akusayi kuhla kuso; inene, uya kufa. Wahamba ke uEliya.

5Babuya abathunywa, beza kuye. Wathi kubo, Yini na ukuba nibuye?

6Bathi kuye, Kunyuké indoda, yeza kusikhawulela, yathi kuthi, Hambani nibuye, niye kukumkani lowo unithumileyo, nithethe kuye, nithi, Utsho uYehova ukuthi, Kungokuba kungekho Thixo kwaSirayeli na, le nto uthumela ukuba kubuziswe kuBhahali-zebhubhi, uthixo wase-Ekron? Ngako oko isingqengqelo eso, ùnyuke waya kuso, akusayi kuhla kuso; inene, uya kufa.

7Wathetha kubo, wathi, Iluhlobo luni na indoda leyo inyukileyo yeza kunikhawulela, yathetha loo mazwi kuni?

8Bathi kuye, Yindoda engubo ixhonti, ebhinqe umbhinqo wentlonze esinqeni sayo. Wathi ke, NguEliya waseTishbhi.

9Ukumkani wathumela kuye umthetheli-mashumi-mahlanu, enamashumi omahlanu akhe. Wenyuka weza kuye; nanko ke ehleli encotsheni yentaba. Wathetha kuye wathi, Mfo wakwaThixo, úthe ukumkani, Yihla.

10Waphendula uEliya, wathi kumthetheli-mashumi-mahlanu, Ukuba ke mna ndingumfo wakwaThixo, makuhle umlilo ezulwini, ukudle wena namashumi omahlanu akho. Kwehla ke umlilo ezulwini, wamdla yena namashumi omahlanu akhe.

11Wabuya wamthumela kuye omnye umthetheli-mashumi-mahlanu, enamashumi omahlanu akhe. Wenyuka wathi kuye, Mfo wakwaThixo, útsho ukumkani ukuthi, Khawuleza uhle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Waphendula uEliya, wathi kubo, Ukuba ke ndingumfo wakwaThixo, makuhle umlilo ezulwini, ukudle wena namashumi omahlanu akho. Wehla ke umlilo kaThixo ezulwini, wamdla yena namashumi omahlanu akhe.

13Wabuya wathuma owesithathu umthetheli-mashumi-mahlanu, enamashumi omahlanu akhe. Wenyuka ke owesithathu umthetheli-mashumi-mahlanu, waguqa ngamadolo phambi koEliya, watarhuzisa kuye, wathi kuye, Mfo wakwaThixo, mawunqabe emehlweni akho umphefumlo wam, nomphefumlo wabakhonzi bakho abamashumi mahlanu.

14Ùyabona, kwehla umlilo ezulwini, wabadla abathetheli bobabini baloo mashumi angamahlanu, kunye namashumi omahlanu abo; ngoko ke mawunqabe emehlweni akho umphefumlo wam.

15Sathi isithunywa sikaYehova kuEliya, Yihla naye; musa ukumoyika. Wesuka ke, wehla, waya naye kukumkani.

16Wathi kuye, Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba uthumele abathunywa bokubuzisa kuBhahali-zebhubhi, uthixo wase-Ekron, kungokuba kungekho Thixo kwaSirayeli na, kungábuziswa kuye? Ngako oko isingqengqelo eso, unyuké waya kuso, akusayi kuhla kuso; inene, uya kufa.

17Wafa ke ngokwelizwi likaYehova elathethwa nguEliya. UYehoram waba ngukumkani esikhundleni sakhe, ngomnyaka wesibini kaYehoram unyana kaYehoshafati, ukumkani wakwaYuda; ngokuba yena ebengenanyana.

18Ezinye izinto zika-Ahaziya awazenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

OoKumkani II 2

Ukunyuka kukaEliya; uElisha usesikhundleni sakhe

1Kwathi ekuza kumnyuseni kukaYehova uEliya ngomoya ovuthuzayo, ukuba aye emazulwini, wabe uEliya ehamba noElisha, besuka eGiligali.

2Wathi uEliya kuElisha, Khawuhlale apha; ngokuba uYehova undithumé eBheteli. Wathi uElisha, Ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo wakho, andiyi kwahlukana nawe. Behla ke, baya eBheteli.

3Baphuma oonyana babaprofeti, ababeseBheteli, baya kuElisha, bathi kuye, Ùyazi na kodwa ukuba namhlanje úyayisusa uYehova inkosi yakho entlokweni yakho? Wathi, Ndiyayazi loo nto; yithini cwaka.

4Wathi uEliya kuye, Elisha, khawuhlale apha; ngokuba uYehova undithumé eYeriko. Wathi, Ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo wakho, andiyi kwahlukana nawe. Bangena ke eYeriko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Beza oonyana babaprofeti ababeseYeriko kuElisha, bathi kuye, Ùyazi na kodwa ukuba namhla úyayisusa uYehova inkosi yakho entlokweni yakho? Wathi, Ndiyayazi loo nto; yithini cwaka.

6Wathi uEliya kuye, Khawuhlale apha; ngokuba uYehova undithumé eYordan. Wathi, Ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo wakho, andiyi kwahlukana nawe.

7Bahamba ke bobabini. Kwahamba amadoda amashumi mahlanu koonyana babaprofeti, afika ema mgama malunga nabo. Bona bema bobabini ngaseYordan.

8UEliya wayithabatha ingubo yakhe enkulu, wayisonga, wabetha ngayo emanzini; ahluka, asinga ngapha nangapha; bawela bobabini komile.

9Kwathi, xa bawelileyo, wathi uEliya kuElisha, Cela into, ndikwènzele, ndingekasuswa kuwe. Wathi uElisha, Mandizuze izahlulo ezibini zomoya wakho.

10Wathi, Ùcele into enzima; kodwa ke ukuba uthe wandibona ukususwa kwam kuwe, koba njalo, ukuba akuthanga undibone, akuyi kuba njalo.

11Kwathi, besahamba, behamba bethetha, kwabonakala inqwelo yomlilo namahashe omlilo; yabahlula bobabini, wenyuka uEliya ngomoya ovuthuzayo, waya emazulwini.

12UElisha ákukubona oko, wadanduluka, wathi, Bawo, bawo, nqwelo yokulwa yakwaSirayeli, nabamahashe ayo! Akaba sambona. Wazibamba ezakhe iingubo, wazikrazula zaziqwenga zibini;

13wayichola ingubo enkulu kaEliya, eyayiwe kuye; wabuya, wafika wema elunxwemeni lweYordan.

14Wayithabatha ingubo enkulu kaEliya, eyayiwe kuye, wabetha ngayo emanzini, wathi, Úphi na uYehova, uThixo kaEliya, yena kanye? Wabetha ke emanzini; ahluka, asinga ngapha nangapha; wawela uElisha.

15Bambona oonyana babaprofeti ababeseYeriko malunga naye, bathi, Umoya kaEliya uhleli kuElisha. Baya kumkhawulela, baqubuda kuye.

16Bathi kuye, Yabona, kukho kubakhonzi bakho amadoda amashumi mahlanu anobukroti; makhe aye kuyifuna inkosi yakho, ukuba uMoya kaYehova akayifukulanga na, wayiphosa entabeni ethile, nokuba kusemfuleni othile. Wathi, Musani ukuwathuma.

17Bamjoka, wada waneentloni, wathi, Wathumeni. Bawathuma ke amadoda amashumi mahlanu; amfuna iintsuku ezintathu, akamfumana.

18Abuya eza kuye; waye eseYeriko, wathi kuwo, Ndibe ndingatshongo na kuni ukuthi, Musani ukuya?

19Athi amadoda aloo mzi kuElisha, Uyabona, ukuma kwalo mzi kuhle, njengoko ibonayo inkosi yethu; ke amanzi mabi, nalo mhlaba awuniki nto.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Wathi, Ndiziseleni isitya esitsha, nigalele ityuwa kuso.

21Amzisela ke. Waphuma, waya apho aphuma khona amanzi, wayigalela kuwo ityuwa, wathi, Utsho uYehova ukuthi, Ndiwaphilisile la manzi; akusayi kuba saphuma kufa kuwo, nakunganiki.

22Aphila ke amanzi lawo unanamhla, ngokwelizwi likaElisha awalithethayo.

23Wenyuka apho waya eBheteli. Uthe xa anyuka ngendlela, kwaphuma usapho lwamgculela, lwathi kuye, Nyuka, nkqayindini!

24Nyuka, nkqayindini! Wabheka ngasemva, walubona, waluqalekisa egameni likaYehova. Kwaphuma iibherekazi zambini ehlathini, zabaqwenga abantwana abamashumi mané anababini kulo.

25Wesuka khona, waya entabeni yeKarmele; wesuka khona, wabuyela kwaSamari.

OoKumkani II 3

UYehoram ngukumkani wamaSirayeli; imfazwe noMowabhi

1Ke kaloku uYehoram, unyana ka-Ahabhi, waba ngukumkani kumaSirayeli kwaSamari, ngomnyaka weshumi elinesibhozo kaYehoshafati ukumkani wakwaYuda; waba neminyaka elishumi elinamibini engukumkani.

2Wenza okubi emehlweni kaYehova; kodwa akaba njengoyise nanjengonina; kuba wasisusa isimiso selitye sikaBhahali, awasenzayo uyise.

3Kodwa ke wanamathela ezonweni zikaYarobheham unyana kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli; akatyeka kuzo.

4Ke kaloku uMesha, ukumkani wamaMowabhi, ubengumfuyi weegusha; emana embuyisela ukumkani wakwaSirayeli ngoboya bekhulu lamawaka eemvana, nekhulu lamawaka eenkunzi zeegusha.

5Kwathi ke akufa uAhabhi, wakreqa ukumkani wamaMowabhi kukumkani wamaSirayeli.

6Waphuma ke ukumkani uYehoram ngayo loo mini kwaSamari, wawabala onke amaSirayeli.

7Waya wathumela kuYehoshafati, ukumkani wakwaYuda, esithi, Ukreqile kum ukumkani wakwaMowabhi; wóhamba na nam siye kulwa namaMowabhi? Wathi, Ndonyuka ndiye; ndìnjengoko unjalo; abantu bam banjengoko banjalo abantu bakho; amahashe am anjengoko anjalo amahashe akho.

8Wathi, Sonyuka ngayiphi na indlela? Wathi, Ngendlela ephuma entlango yakwaEdom.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wahamba ke ukumkani wakwaSirayeli, nokumkani wakwaYuda, nokumkani wakwaEdom. Bahamba ngendlela ezungulezayo iintsuku ezisixhenxe; awaba namanzi umkhosi kwaneenkomo ebezibalandela.

10Wathi ukumkani wamaSirayeli, Yeha, uYehova ubabizele aba kumkani bathathu, ukuba abanikele esandleni sikaMowabhi.

11Wathi uYehoshafati, Akukho mprofeti kaYehova na apha, sibuzise kuYehova ngaye? Waphendula omnye wabakhonzi bokumkani wakwaSirayeli, wathi, Ukho apha uElisha, unyana kaShafati, obegalela amanzi ezandleni zikaEliya.

12Wathi uYehoshafati, Ilizwi likaYehova linaye. Behla ke baya kuye, ukumkani wakwaSirayeli, noYehoshafati, nokumkani wakwaEdom.

13Wathi ke uElisha kukumkani wamaSirayeli, Yintoni na enam nawe? Hamba uye kubaprofeti bakayihlo, nakubaprofeti bakanyoko. Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuye, Hayi; ngokuba uYehova ubabizele aba kumkani bathathu, ukuba abanikele esandleni sikaMowabhi.

14Wathi uElisha, Ehleli nje uYehova wemikhosi, endimi phambi kwakhe, ndinge ndingàkubheki, ndikubone, koko bendihlonéle uYehoshafati, ukumkani wakwaYuda.

15Ndíziseleni ke ngoku umbethi-luhadi. Kwathi, xa umbethi-luhadi lo alubethayo, samfikela isandla sikaYehova.

16Wathi, Utsho uYehova ukuthi, Senzeni esi sihlambo sizale yimisele.

17Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Aniyi kubona moya, aniyi kubona mvula; esi sihlambo ke siya kuzala amanzi, nisele nina, nemihlambi yenu, namaqegu enu.

18Loo nto ilula emehlweni kaYehova; uya kuwanikela namaMowabhi esandleni senu.

19Noyixabela yonke imizi enqatyisiweyo, nemizi yonke enyuliweyo, niyiwise yonke imithi emihle, niyidibelele yonke imithombo yamanzi, niwonakalise onke amasimi amahle ngamatye.

20Kwathi kusasa, xa kunyuswa umnikelo wokudla, nanko kusiza amanzi, evela ngendlela yakwaEdom, ilizwe lazala amanzi.

21Eva ke onke amaMowabhi ukuba benyukile ookumkani, besiza kulwa nawo, ahlaba umkhosi kwintanga yonke exhobayo nengaphezulu, ema emdeni.

22Avuka kusasa, ilanga lithe chapha emanzini; amaMowabhi awabona amanzi phambi kwawo, ebomvu njengegazi; athi,

23Ligazi le nto; ookumkani bachithene bodwa, babulalana. Nalo ke ixhoba, Mowabhi.

24Afika ke emkhosini wakwaSirayeli; asuka amaSirayeli, awaxabela amaMowabhi, asaba wona ebusweni bawo, alingenela ilizwe, ehamba ewaxabela amaMowabhi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Bayigungxula nemizi; emasimini onke amahle, elowo waphosa ilitye lakhe,
bawazalisa, bayidibelela yonke imithombo yamanzi, bayiwisa yonke imithi emihle,
kwada eKir-hareshete kwasala amatye ayo odwa; bayirhawula abasawuli, batsho
kuyo.

26Wabona ukumkani wamaMowabhi, ukuba impi imkhulele, wathabathela kuye
amadoda angamakhulu asixhenxe arhola ikrele, ukuba atyhudise, abheke kukumkani
wakwaEdom; ákaba nako.

27Wathabatha unyana wakhe wamazibulo, obeya kuba ngukumkani esikhundleni
sakhe, wamnyusa waba lidini elinyukayo phezu kodonga. Afikelwa buburhalarhume
obukhulu amaSirayeli. Ancothuka kuye, abuyela ezweni lawo.

OoKumkani II 4

UElisha wandisa ioli yomhlolokazi

1Ke kaloku umfazi othile kubafazi boonyana babaprofeti wakhala kuElisha, esithi,
Umkhonzi wakho indoda yam ifile. Ùyazi wena ukuba umkhonzi wakho lowo
ebemoyika uYehova; ke umboleki-mali uze kubathabathela kuye oonyana bam
bobabini, ukuba babe ngamakhoboka.

2Wathi uElisha kuye, Ndikwènzele ntoni na? Ndíxelele, unantoni na endlwini? Wathi,
Umkhonzazana wakho akananto endlwini, kuphela ligubu leoli.

3Wathi, Hamba uye kuzibolekela izitya ngaphandle, kubamelwane bakho bonke,
izitya ezizé; zingabi mbalwa;

4ungene, uzivalele wena noonyana bakho, uthululele kwezo zitya zonke, uzishenxise
ezizeleyo.

5Wemka ke kuye, wazivalela, yena noonyana bakhe; bezisa kuye bona, wathulula
yena.

6Kwathi, zakuzala izitya, wathi kunyana wakhe, Zisa esinye isitya kum. Wathi yena
kuye, Akusekho sitya: yanqamka ke ioli.

7Waya waxelela umfo wakwaThixo; wathi yena, Hamba uye kuthengisa ngeoli leyo,
uhlawule ityala lakho, uphile wena noonyana bakho ngeseleyo.

UElisha nomfazi waseShunem

8Kwathi ngamhla uthile, uElisha wagqithela eShunem, apho kwaye kukho intokazi
elinonokazi; yamzama ukuba adle isonka. Ubesithi, xa agqithayo, aphambukele
khona ukuba adle isonka.

9Yathi endodeni yayo, Ùyabona ke, ndiyaqonda ukuba lo mfo ùngcwele wakwaThixo
úmana egqitha apha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Masenze eludongeni igunjana eliphezulu, simbekele khona isingqengqelo, netafile, nesihlalo, nesibane, angene khona akuphambukela kuthi.

11Kwathi ngamhla uthile waya khona, waphambukela egumbini elo liphezulu, walala khona.

12Wathi kuGehazi umfana wakwakhe, Biza lo mShunemekazi.

13Wambiza; wema phambi kwakhe. Wathi kuye, Khawuthi kuye, Uyabona, ùsinyamekele ngayo yonke le nyameko; unga ungenzelwa ntoni na ke? Unelizwi ongalenzelwayo na kukumkani, nokuba kukumthetheli-mkhosi? Wathi yena, Ndihleli phakathi kwabantu bakowethu.

14Wathi, Makenzelwe ntoni na? Wathi uGehazi, Inyaniso, akananyana; indoda yakhe yaluphele.

15Wathi, Mbize. Wambiza, wafika,wema emnyango.

16Wathi, Mayela neli xesha nyakenye ùya kusingatha unyana. Wathi yena, Musa, nkosi yam, mfo wakwaThixo, musa ukuthetha amanga kumkhonzazana wakho.

17Wamitha ke loo mfazi, wazala unyana ngelo xesha limisiweyo lanyakenye, abelithethile uElisha kuye.

18Wakhula umntwana, kwathi ngamhla uthile, waphuma waya kuyise, kubavuni.

19Wathi kuyise, Intloko yam, intloko yam! Wathi kumfana, Mthwale, umse kunina.

20Wamthwala, wamsa kunina; wahlala emathangeni akhe, kwada kwasemini enkulu, waqhawuka ke.

21Wenyuka, wamlalisa esingqengqelweni somfo wakwaThixo, wamvalela, waphuma.

22Wabiza indoda yakhe, wathi, Khawundithumele omnye wakubafana, nenye yeemazi zamaesile, khe ndithi gxada, ndiye kumfo wakwaThixo, ndibuye ndibuye.

23Wathi yena, Yini na ukuba uhambe uye kuye namhla? Àkuthwase nyanga, àsiyisabatha. Wathi yena, Kulungile.

24Wayibopha imazi ye-esile, wathi kumfana lowo, Qhuba uhambe, musa ukuzibambezela ekukhweleni ngenxa yam, ndigatshonga kuwe.

25Wahamba wada weza kumfo wakwaThixo entabeni yeKarmele. Waza umfo wakwaThixo, akumbona esekude, wathi kuGehazi umfana, Nankuya laa mShunemekazi;

26khawugidime ngoku, umkhawulele, uthi kuye, Ùhleli kakule na? Ihleli kakuhle na indoda yakho? Úhleli kakuhle na umntwana? Wathi, Kusahleliwe kakuhle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Akufika kumfo wakwaThixo entabeni, wambamba ngeenyawo. Wasondela uGehazi
ukuba amsunduze; wathi umfo wakwaThixo, Myeke, ngokuba umphefumlo wakhe
ukrakra; uYehova undifihlele, àkandixelela.

28Wathi, Ndakha ndacela unyana yini na enkosini yam? Ndandingatshongo yini na
ukuthi, Ùze ungandilahlekisi?

29Wathi kuGehazi, Bhinqa isinqe sakho, uphathe umsimelelo wam esandleni sakho,
uhambe. Ukuba ùthe waqubisana nomntu, uze ungambulisi; ukuba úthe umntu
wakubulisa, uze ungamphenduli; uze uwubeke umsimelelo wam phezu kobuso
benkwenkwe leyo.

30Wathi unina wenkwenkwe, Ehleli nje uYehova, uhleli nje umphefumlo wakho,
andiyi kwahlukana nawe. Wesuka ke wamlandela.

31UGehazi wagqithela phambili kubo, wafika wawubeka umsimelelo phezu kobuso
benkwenkwe; akwabakho lizwi, akwabakho kushukuma. Wabuya waya
kumkhawulela, wamxelela, wathi, Inkwenkwe ayivukanga.

32Wafika uElisha endlwini; nantso inkwenkwe ifile, ilele esingqengqelweni sakhe.

33Wangena, waluvala ucango, bebobabini; wathandaza kuYehova.

34Wenyuka, walala phezu komntwana lowo, wabeka umlomo wakhe phezu komlomo
wakhe, amehlo akhe phezu kwamehlo akhe, izandla zakhe phezu kwezandla zakhe,
wazolula phezu kwakhe; yafudumala inyama yomntwana.

35Wabuya, wahamba endlwini, wasinga ngapha kwakanye, wasinga ngapha
kwakanye, wenyuka wazolula phezu kwakhe. Yathimla inkwenkwe izihlandlo
ezisixhenxe, yawavula inkwenkwe amehlo ayo.

36Wabiza uGehazi, wathi, Biza laa mShunemekazi. Wambiza. Weza ke kuye, wathi,
Mthabathe unyana wakho.

37Weza, waziphosa ezinyaweni zakhe, waqubuda kuye, wamthabatha unyana wakhe,
waphuma.

Imimangaliso emibini kaElisha

38Ke kaloku uElisha wabuya, waya eGiligali. Kwakukho indlala elizweni; oonyana
babaprofeti babehleli phambi kwakhe. Wathi kumfana lowo, Beka imbiza enkulu
eziko, ubaphekele ukudla oonyana babaprofeti.

39Waphuma omnye, waya kufuna imifuno endle; wafumana uthangazana, wakha
amathangazana kulo; yazala ingubo yakhe. Wafika, wawaxabelela embizeni
yokupheka; ngokuba babengazwazi.

40Bawaphakela amadoda ukuba adle. Kwathi, xa akudlayo oko kudla, akhala wona,
athi, Mfo wakwaThixo, kukho ukufa embizeni le.

© 1975 Bible Society of South Africa.

41Akaba nako ukukudla. Wathi, Yizani nomgubo. Wawugalela embizeni, wathi, Baphakele abantu, badle; akwabakho nto imbi embizeni.

42Kwavela indoda eBhahali-shalisha, yamzisela umfo wakwaThixo ukudla okutsha: izonka zerhasi ezimashumi mabini, namakhweba engxoweni yakhe.

43Wathi, Nika abantu, badle. Wathi umlungiseleli wakhe, Ndothini na ukukubeka oku phambi kwekhulu lamadoda? Wathi, Nika abantu, badle; ngokuba útsho uYehova ukuthi, Baya kudla, bade bakushiye.

44Wabeka ke phambi kwabo; badla bakushiya, ngokwelizwi likaYehova.

OoKumkani II 5

Iqhenqa likaNahaman liyaphiliswa

1Ke kaloku uNahaman, umthethelimkhosi wokumkani wakwa-Aram, waye eyindoda enkulu enkosini yakhe, ebekekileyo; ngokuba uYehova wayewanike ama-Aram usindiso ngaye. Loo ndoda yabe iligorha, ilikroti, kodwa ineqhenqa.

2Ama-Aram ayephume aya kututa, athimba ezweni lakwaSirayeli intombazana; yasisicakakazi kumkaNahaman.

3Yathi kwinkosikazi yayo, Akwaba inkosi yam le ibiphambi komprofeti okwaSamari! Ubeya kuyiphilisa eqhenqeni layo.

4Waya wayixelela inkosi yakhe, wathi, Ithe yathi, yathi ukuthetha, intombi evela ezweni lakwaSirayeli.

5Wathi ukumkani wama-Aram, Hamba uye, ndomthumela incwadi ukumkani wakwaSirayeli. Wahamba, waphatha esandleni sakhe ishumi leetalente zesilivere, namawaka amathandathu eeshekele zegolide, neshumi leengubo zokukhululana.

6Wayizisa incwadi kukumkani wakwaSirayeli, isithi, Kaloku ke, ekufikeni kwale ncwadi kuwe, yabona, ndikuthuméle uNahaman umkhonzi wam, ukuba umphilise eqhenqeni lakhe.

7Kwathi, akuyilesa ukumkani wakwaSirayeli incwadi, wazikrazula iingubo zakhe, esithi, NdinguThixo yini na, ukuba ndibulale, nokuba ndiphilise, ngokuba lo uthuméle kum, ukuba ndiphilise indoda eqhenqeni layo. Khangelani ke, nibone, ukufuna kwakhe isizathu sokuxabana nam.

8Kwathi, akuva uElisha, umfo wakwaThixo, ukuba ukumkani wakwaSirayeli uzikrazule iingubo zakhe, wathumela kukumkani wathi, Ùzikrazulele ntoni na iingubo zakho? Makeze kum, azi ukuba kukho umprofeti kwaSirayeli.

9Weza uNahaman namahashe akhe neenqwelo zakhe, wamisa emnyango endlwini kaElisha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10UElisha wathuma umthunywa kuye, esithi, Yiya uhlambe izihlandlo ezisixhenxe eYordan, ibuyele kuwe inyama yakho, uhlambuluke.

11Waba noburhalarhume uNahaman, wemka, wathi, Bonani, bendiba mna wophuma eze kum, eme anqule igama likaYehova uThixo wakhe, awangawangise isandla sakhe phezu kwale ndawo, alisuse iqhenqa.

12IAbhana neFarpare, imilambo yaseDamasko, ayilungile na, ngaphezu kwamanzi onke akwaSirayeli? Andingehlambi kuyo na, ndihlambuluke? Wajika, wahamba engumlilo.

13Bafika abakhonzi bakhe, bathetha naye, bathi, Bawo, ukuba umprofeti ubethethe into enkulu kuwe, ubungàyi kuyenza yini na? Kangakanani na ke xa athi kuwe, Hlamba, uhlambuluke?

14Wehla ke, wantywila izihlandlo ezisixhenxe eYordan, ngokwelizwi lomfo wakwaThixo; yabuya ke inyama yakhe, yanjengenyama yomntwana, wahlambuluka.

15Wabuyela kumfo wakwaThixo, yena nesihlwele sakhe sonke, weza, wema phambi kwakhe, wathi, Uyabona, ndiyaqonda ngoku ukuba akukho Thixo ehlabathini lonke, kùkwaSirayeli kodwa; kaloku khawamkele intsikelelo kumkhonzi wakho.

16Wathi yena, Ehleli nje uYehova, endimi phambi kwakhe, andiyi kuyamkela. Wamjoka, ukuba ayamkele; àkavuma.

17Wathi uNahaman, Umkhonzi wakho akangekhe anikwe na ke umhlaba ongumthwalo woondlebende ababini? Ngokuba umkhonzi wakho akasayi kuba senza dini linyukayo nambingelelo thixweni bambi; úya kwenza kuYehova yedwa.

18Kule nto uYehova aze amxolele umkhonzi wakho: yakungena inkosi yam endlwini kaRimon, ukuba iqubude khona, yayame esandleni sam, nam ndaqubuda endlwini kaRimon: ekuqubudeni kwam ke endlwini kaRimon, aze uYehova amxolele umkhonzi wakho kuloo nto.

19Wathi kuye, Hamba unoxolo. Wemka kuye, wee qelele umganyana.

20Wathi uGehazi, umkhonzi kaElisha umfo wakwaThixo, Yabona, inkosi yam imyekile uNahaman umAram lo, àyayamkela esandleni sakhe into abeyizisile; ehleli nje uYehova, inene, ndiya kumsukela, ndithabathe intwana kuye.

21UGehazi wamphuthuma uNahaman. UNahaman wambona emsukela, wehla enqwelweni yakhe, eya kumkhawulela, wathi, Kuhlé ntoni na?

22Wathi, Akukho nto. Inkosi yam indithumile, isithi, Nanku, kufike kum ngoku amadodana amabini akoonyana babaprofeti, evela kweleentaba lakwaEfrayim; khawuwanike italente yesilivere, neengubo ezimbini zokukhululana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Wathi uNahaman, Makukholeke kuwe ukuthabatha zibe mbini iitalente. Wamjoka, wabopha iitalente zambini zesilivere ezingxoweni ezimbini, neengubo ezimbini zokukhululana, wanika abafana ababini; bathwala phambi kwakhe.

24Uthe akufika endulini, wazithabatha ezandleni zabo, wazibeka endlwini, wawandulula amadoda lawo emka.

25Waya, wema phambi kwenkosi yakhe. Wathi uElisha kuye, Ùvela phi na, Gehazi? Wathi, Úbengayanga ndawo umkhonzi wakho.

26Wathi kuye, Intliziyo yam ayihambanga nawe yini na, okuya yajikayo indoda enqwelweni yayo, yeza kukukhawulela? Lixesha yini na eli lokwamkela isilivere, nelokwamkela iingubo, neminquma, nezidiliya, nempahla emfutshane, neenkomo, nabakhonzi, nabakhonzazana?

27Iqhenqa likaNahaman malinamathele kuwe nakwinbewu yakho ngonaphakade. Waphuma ebusweni bakhe eneqhenqa, emhlophe njengekhephu.

OoKumkani II 6

Ukudada kwentloko yezembe

1Bathi oonyana babaprofeti kuElisha, Khawubone le ndawo, sihleli kuyo phambi kwakho; sixinene kuyo.

2Makhe siye eYordan, sizithabathele khona elowo umqadi ube mnye, sizenzele khona indawo yokuhlala. Wathi, Yiyani.

3Wathi omnye, Makukholeke kuwe ukuhamba nabakhonzi bakho. Wathi, Ndiya kuhamba.

4Wahamba nabo. Bathi bakufika eYordan, bagawula imithi.

5Kwathi, omnye ewisa umqadi, intsimbi yeyela emanzini; wakhala, wathi, Yoo, nkosi yam! ibibolekiwe.

6Wathi umfo wakwaThixo, Iwe phi na? Wambonisa loo ndawo. Wanqumla uluthi, waluphosa khona. Yadada intsimbi.

7Wathi, Yithabathe. Wasolula isandla sakhe, wayithabatha.

UElisha nama-Aram eDotan

8Ke kaloku ukumkani wama-Aram wayesilwa namaSirayeli, wacebisana nabakhonzi bakhe, esithi, Kuya kuba sekuthini, nasekuthini, apho ndolalisa khona.

9Wathumela umfo wakwaThixo kukumkani wakwaSirayeli, esithi, Zigcine, ungegqithi kulaa ndawo; ngokuba ama-Aram ehla khona.

10Ukumkani wamaSirayeli wathumela kuloo ndawo, abemxelele yona umfo wakwaThixo, embonisa; wazikhusela khona, akwaba kanye nakabini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Yabhabhama intliziyo yokumkani wakwa-Aram yiloo nto; wabiza abakhonzi bakhe, wathi kubo. Ànindixeleli na ukuba ngubani na kuthi apha, ongakukumkani wakwaSirayeli?

12Wathi omnye wakubakhonzi bakhe, Asisithi, nkosi yam kumkani; ke nguElisha, umprofeti okwaSirayeli, oxelela ukumkani wamaSirayeli amazwi owathetha usengontsini yakho yokulala.

13Wathi, Yiyani, nikhangele apho akhona; ndithumèle, ndimthabathe. Waxelelwa kwathiwa, Nanko eDotan.

14Wathumela khona amashashe, neenqwelo zokulwa, nempi eninzi; baya ebusuku, bawungqinga umzi.

15Wavuka kusasa umlungiseleli womfo wakwaThixo, wesuka waphuma, nantso impi iwujikelezile umzi, inamahashe neenqwelo zokulwa. Wathi umfana lowo kuye, Yoo, nkosi yam, siya kuthini na?

16Wathi yena, Musa ukoyika; ngokuba baninzi abangakuthi, ngaphezu kwabangakubo.

17Wathandaza uElisha, wathi, Yehova, khawuwavule amehlo akhe, abone. UYehova wawavula amehlo omfana lowo, wabona, nantso intaba izele ngamahashe neenqwelo zokulwa zomlilo, zimjikelezile uElisha.

18Behla baya kuye, wathandaza uElisha kuYehova, wathi, Khawulubethe olu hlanga ngobumfama. Wababetha ke ngobumfama, ngokwelizwi likaElisha.

19Wathi uElisha kubo, Asiyiyo indlela le, asinguwo umzi lo; ndilandeleni, ndinise kuloo ndoda niyifunayo; wabása kwaSamari.

20Kwathi, bakufika kwaSamari, wathi uElisha, Yehova, wavule amehlo aba bantu, babone. Wawavula uYehova amehlo abo, babona. Nanku, bephakathi komzi wakwaSamari.

21Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuElisha, akubabona, Ndibaxàbele na, ndibaxàbele na, bawo?

22Wathi yena, Uze ungabaxabeli. Obathimbileyo ngekrele lakho nesaphetha sakho ubungábaxabelayo na? Beka isonka namanzi phambi kwabo, badle, basele, bahambe, baye enkosini yabo.

23Wabenzela isidlo esikhulu; badla basela; wabandulula, bahamba baya enkosini yabo. Akaba saphinda amatutu ama-Aram ukulingena ilizwe lamaSirayeli.

Ukungqingwa komzi wakwaSamari

24Kwathi emva koko, wayihlanganisa uBhen-hadade, ukumkani wakwa-Aram, yonke impi yakhe, wenyuka wawungqinga umzi wakwaSamari.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Kwabakho ke indlala enkulu kwaSamari. Yabona, bawungqinga ke, yada intloko ye-
esile yathengiswa ngamashumi osibhozo eeshekele zesilivere, nesahlulo sesiné
sekabhe yendlelo yamavukuthu saba sisihlanu sesilivere.

26Kwathi, edlula ukumkani wakwaSirayeli phezu kodonga, intokazi yamemeza kuye,
isithi, Sindisa, nkosi yam, kumkani.

27Wathi yena, Engakusindisi nje uYehova, ndokusindisa ngantoni na mna? ngesandá,
ngesixovulelo sediliya, kusini na?

28Wathi ukumkani kuyo, Ùhlelwe yintoni na? Wathi, Lo mfazi uthe kum, Ndínike
unyana wakho, sidle yena namhla, sidle unyana wam ngomso.

29Sampheka ke unyana wam, samdla; ndathi kuye ngomhla olandelayo, Ethe unyana
wakho, simdle; wamzimeza unyana wakhe.

30Kwathi, akuweva ukumkani amazwi entokazi leyo, wazikrazula iingubo zakhe;
wayedlula phezu kodonga. Bakhangela abantu, nanko eneengubo ezirhwexayo
ngaphantsi kwezinye enyameni yakhe.

31Wathi, Makenjenje kum uThixom, aqokele ukwenjenje, ukuba intloko kaElisha,
unyana kaShafati, iya kuma phezu kwakhe namhla.

32UElisha ke ubehleli endlwini yakhe, namadoda amakhulu ebehleli
naye. Ukumkani wathuma indoda ebusweni bakhe. Engekafiki umthunywa lowo
kuye, wathi yena kumadoda amakhulu, Niyabona na, ukubo lo nyana wombulali
uthuméle ukuba ndisuswe intloko? Niyabona, akufika umthunywa lowo, luvaleni
ucango, mintyhale ngocango; naso isingqi seenyawo zenkosi yakhe sisemva kwakhe.

33Esathetha nawo, nanko umthunywa lo esihla esiza kuye. Wathi ukumkani, Yabona,
obu bubi buphuma kuYehova; ndisamlindele ngani na uYehova?

OoKumkani II 7

Intsabo yama-Aram

1Wathi uElisha, Liveni ilizwi likaYehova. Útsho uYehova ukuthi, Eli xa ngomso iseha
yomgubo ocoliweyo yoba yishekele, neeseha zombini zerhasi zoba yishekele
esangweni lakwaSamari.

2Wamphendula umfo wakwaThixo umphathi-mkhosi, abesayama esandleni sakhe
ukumkani, wathi, Yabona, khona ukuba uYehova wenzé iifestile ezulwini, ingabakho
na loo nto? Wathi yena, Khangela, ùya kuyibona loo nto ngamehlo akho, ungadli
kuyo.

3Ke kaloku kwakukho amadoda amané aneqhenqa ngaphandle kwesango. Yathi enye
kwenye, Sihlaléleni na apha, side sife?

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ukuba sithe, masingene kulo mzi, kukho indlala kuwo umzi lo, siya kufa khona;
ukuba sithe sahlala apha, siya kufa. Kaloku ke masihambe, sizilahlele emkhosini
wama-Aram. Ukuba athe asisindisa, sodla ubomi; ukuba athe asibulala, hayi ke, siya
kufa.

5Asuka ngongcwalazi, aya eminqubeni yama-Aram, ada afika ekupheleni
kweminquba yama-Aram. Yini le? Kusenxiweni.

6Kuba iNkosi yayiwenzé umkhosi wama-Aram ukuba uve isandi seenqwelo zokulwa,
isandi samahashe, nesandi sempi enkulu. Bathi omnye komnye, Niyabona, ukumkani
wamaSirayeli usiqeshele ookumkani bamaHeti nookumkani bamaYiputa, ukuba
basiwele.

7Besuka ke, basaba ngongcwalazi, bazishiya iintente zabo, namahashe abo,
namaesile abo eminqubeni, injengoko ibinjalo; basabisa ubomi babo.

8Afika ke loo madoda aneqhenqa ekupheleni kweminquba, angena kwenye intente,
adla, asela, athabatha apho isilivere negolide neengubo, aya kuziqhusheka; abuya,
angena kwenye intente, athabatha nakhona, aya kuqhusheka.

9Yathi enye kweny, Àsilungisi; le mini yimini yeendaba ezilungileyo, sithe cwaka nje;
ukuba silindé kwada kwasa, siya kuzeka ityala. Hambani ke ngoko, siye sixele
endlweni yokumkani.

10Afika, abiza umlindi wesango lomzi, amxelela, athi, Sifiké eminqubeni yama-Aram,
nanko kungekho mntu khona, nazwi lamntu, kuphela ingamahashe abotshelelweyo
namaesile abotshelelweyo, neentente zinjengoko bezinjalo.

11Bamemeza abalindi-masango omzi; baxelela indlu yokumkani ngaphakathi.

12Wavuka ukumkani ebusuku, wathi kubakhonzi bakhe, Makhe ndinixelele into
ayenzileyo kuthi ama-Aram. Ayazi ukuba silambile; aphumile eminqubeni, aya
kuzímela endle, esithi, Bothi bakuphuma kuwo umzi, sibabambe behleli, singene
kuwo umzi.

13Waphendula omnye wakubakhonzi bakhe, wathi, Makhe kuthatyathwe abe
mahlanu kumahashe aseleyo, la aseleyo phakathi komzi (yabona, anjengengxokolo
yonke yamaSirayeli eseleyo kuwo; yabona, anjengengxokolo yonke yakwaSirayeli
ephelileyo), síwathume sibone.

14Kwathatyathwa iinqwelo ezimbini zokulwa ezinamahashe, waphuthumisa
ukumkani emva komkhosi wama-Aram, wathi, Hambani niye kubona.

15Bawaphuthuma, bada baya eYordan; nantso indlela yonke izele ziingubo
neempahla, abezilahlile ama-Aram ekubalekeni kwawo buphuthuphuthu. Babuya
abathunywa abo, bamxelela ukumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Baphuma ke abantu, bayiphanga iminquba yama-Aram. Yathi iseha yomgubo
ocoliweyo yayeyeshekele, iiseha ezimbini zerhasi zazezeshekele, ngokwelizwi
likaYehova.

17Ukumkani wamphathisa isango umphathi-mkhosi abesayama esandleni sakhe.
Bamnyathela abantu esangweni, wafa, njengoko wakuthethayo umfo wakwaThixo,
owathetha ekuhlèni kokumkani, esiza kuye.

18Kwenzeka ke njengoko wakuthethayo umfo wakwaThixo kukumkani, esithi, Iiseha
ezimbini zerhasi zoba zezeshekele, iseha yomgubo ocoliweyo yoba yeyeshekele, eli
xa ngomso, esangweni lakwaSamari;

19ukuze amphendule umphathi-mkhosi lowo umfo wakwaThixo, esithi, Yabona,
khona ukuba uYehova wenzé iifestile ezulwini, ingabakho na loo nto? Ukuze athi ke
yena, Khangela, ùya kuyibona ngamehlo akho, ungadli kuyo.

20Kwaba njalo ke kuye; bamnyathela abantu esangweni, wafa.

OoKumkani II 8

UElisha nomShunemekazi

1Ke, uElisha wayethethile kwintokazi leyo, wayephilise unyana wayo, esithi, Suka
uhambe, wena nendlu yakho, uphambukele apho ungáphambukela khona; ngokuba
uYehova ubize indlala; kananjalo iya kulifikela ilizwe iminyaka esixhenxe.

2Yayisukile ke intokazi leyo, yenza ngokwelizwi lomfo wakwaThixo, yahamba yona
nendlu yayo, yaphambukela ezweni lamaFilisti iminyaka esixhenxe.

3Ke kaloku kwathi ekupheleni kweminyaka esixhenxe leyo, yabuya loo ntokazi
ezweni lamaFilisti; yaphuma yaya kuzibika ngendlu yayo nentsimi yayo kukumkani.

4Ke kaloku ukumkani ubethetha noGehazi, umkhonzi womfo wakwaThixo, esithi,
Khawundibalisele zonke izinto ezinkulu azenzileyo uElisha.

5Kwathi, esamxelela ukumkani ukuphilisa kwakhe umntu owayeselefile, kwabonakala
laa ntokazi, abephilise unyana wayo, izibika ngendlu yayo nentsimi yayo kukumkani.
Wathi uGehazi, Nkosi yam, kumkani, yiloo ntokazi ke le, nguloo nyana wayo
waphiliswayo nguElisha ke lo.

6Wayibuza ukumkani intokazi leyo; yamxelela. Ukumkani wayinika umbusi othile,
wathi, Yibuyisele zonke izinto zayo, nokutya konke kwentsimi yayo, kuthabathela
kwimini eyemka ngayo kweli lizwe, kuzise nakweli xesha langoku.

UHazayeli uba ngukumkani wama-Aram

7Weza uElisha eDamasko. UBhenhadade, ukumkani wakwa-Aram, waye esifa.
Kwathiwa kuye, Umfo wakwaThixo ufikile apha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wathi ukumkani lowo kuHazayeli, Phatha umnikelo ngesandla sakho, uye kumkhawulela umfo wakwaThixo lowo, ubuzise kuYehova ngaye, uthi, Ndiya kuphila na kwesi sifo?

9UHazayeli waya kumkhawulela, waphatha umnikelo ngesandla sakhe, nento yonke elungileyo yaseDamasko, imithwalo yeenkamela ezimashumi mané. Waya, wema phambi kwakhe, wathi, Unyana wakho uBhenhadade, ukumkani wakwa-Aram, undithumele kuwe, esithi, Ndiya kuphila na kwesi sifo ndinaso?

10Wathi uElisha kuye, Hamba uye kuthi, Ungáphila; koko uYehova undibonisile ukuba, inene, uya kufa.

11Wamkhangela, wamthi ntsho, wada waneentloni; walila umfo wakwaThixo.

12Wathi uHazayeli, Ililelani na inkosi yam? Wathi, Kungokuba ndibazi ububi oya kubenza koonyana bakaSirayeli; ùya kuzitshisa ngomlilo iinqaba zabo, uwabulale amadodana abo ngekrele, ubatyumze abantwana babo, ubaqangqulule abafazi babo abamithiyo.

13Wathi uHazayeli, Úyintoni na umkhonzi wakho, eyinja nje, ukuba ade enze loo nto ingako? Wathi uElisha, UYehova undibonisile, ukuba ùya kuba ngukumkani wakwa-Aram wena.

14Wemka kuElisha, waya enkosini yakhe. Yathi kuye, Útheni na uElisha kuwe? Wathi, Uthe kum, Inene, ùya kuphila.

15Kwathi ngengomso wathabatha ingcawa, wayithi nkxu emanzini, wayaneka ebusweni bayo; yafa. UHazayeli waba ngukumkani esikhundleni sayo.

UYehoram noAhaziya ookumkani bakwaYuda

16Ke kaloku ngomnyaka wesihlanu kaYehoram, unyana ka-Ahabhi ukumkani wamaSirayeli (uYehoshafati engukumkani wamaYuda), waba ngukumkani uYehoram, unyana kaYehoshafati ukumkani wamaYuda.

17Ebeminyaka imashumi mathathu anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe, waba neminyaka esibhozo engukumkani eYerusalem.

18Wahamba ngendlela yookumkani bakwaSirayeli, njengoko yenza ngako indlu ka-Ahabhi; ngokuba intombi ka-Ahabhi yayingumkakhe; wenza okubi emehlweni kaYehova.

19Noko uYehova ebengavumi ukulonakalisa elakwaYuda, ngenxa kaDavide umkhozi wakhe; njengoko wathethayo kuye, wathi wómnika isibane ngoonyana bakhe yonke imihla.

20Ngemihla yakhe akreqa amaEdom, aphuma phantsi kwesandla samaYuda, azenzela ukumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Wagqitha uYehoram, waya eTsahira, eneenqwelo zonke zokulwa. Wavuka ebusuku, wawaxabela amaEdom awayemrhawule ngeenxa zonke, nabathetheli beenqwelo zokulwa; basaba abantu, baya ezintenteni zabo.

22Akreqa ke amaEdom, aphuma phantsi kwesandla samaYuda unanamhla. Yaza yakreqa iLibhena kwangelo xesha.

23Ezinye izinto zikaYoram, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

24UYoram walala kooyise, wangcwatyelwa kooyise emzini kaDavide, uAhaziya unyana wakhe waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

25Ngomnyaka weshumi elinesibini kaYoram unyana ka-Ahabhi, ukumkani wamaSirayeli, waba ngukumkani uAhaziya, unyana kaYehoram ukumkani wamaYuda.

26UAhaziya ebeminyaka imashumi mabini namibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe. Waba mnyaka mnye engukumkani eYerusalem. Igama lonina libe linguAtaliya, intombi kaOmri ukumkani wamaSirayeli.

27Wahamba ngendlela yendlu ka-Ahabhi, wenza okubi emehlweni kaYehova ngokwendlu ka-Ahabhi; ngokuba ebengumyeni wakwa-Ahabhi.

28Wahamba noYoram, unyana ka-Ahabhi, waya kulwa noHazayeli ukumkani wakwa-Aram eRamoti yaseGiliyadi. Ama-Aram amngxwelerha uYoram.

29Wabuya uYoram ukumkani, waya kunyangwa eYizereli loo manxeba wawafumanayo kuma-Aram eRama, ekulweni kwakhe noHazayeli ukumkani wakwa-Aram. Wehla uAhaziya, unyana kaYehoram ukumkani wamaYuda, esiya kumbona uYoram unyana ka-Ahabhi eYizereli, ngokuba ebengxwelerhiwe.

OoKumkani II 9

Uvukelo lukaYehu

1Ke uElisha umprofeti wabiza omnye koonyana babaprofeti, wathi kuye, Bhinqa isinqe sakho, uphathe eli gutyana leoli ngesandla sakho, uye eRamoti yaseGiliyadi;

2ungene khona, ukhangele khona uYehu, unyana kaYehoshafati, unyana kaNimshi, uye utsho esuke phakathi kwabazalwana bakhe, umse engontsini engaphakathi;

3uthabathe igutyana leoli, umgalele entloko, uthi, Útsho uYehova ukuthi, Ndikuthambisile ukuba ube ngukumkani kumaSirayeli; uluvule ke ucango, usabe, ungahlali.

4Waya umfana lowo, umkhonzi lowo womprofeti, eRamoti yaseGiliyadi.

5Wafika ke, nabá abathetheli bempi behleli phantsi. Wathi, Ndinelizwi kuwe, mthetheli-mkhosi. Wathi uYehu, Kuwuphi na, phakathi kwethu aba sonke? Wathi, Kuwe, mthethelimkhosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wesuka, wangena endlwini, wamgalela ioli entloko, wathi kuye, Útsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ndikuthambisile ukuba ube ngukumkani kubantu bakaYehova, kumaSirayeli.

7Woyixabela indlu ka-Ahabhi inkosi yakho, ndiwaphindezele amagazi abakhonzi bam abaprofeti, namagazi abakhonzi bonke bakaYehova, esandleni sikaIzebhele;

8idàke yonke indlu ka-Ahabhi, ndinqumle kuAhabhi yonke into eyindoda, novalelweyo novulelweyo kwaSirayeli.

9Ndoyenza indlu ka-Ahabhi ibe njengendlu kaYarobheham unyana kaNebhati, nanjengendlu kaBhahesha unyana ka-Ahiya;

10zimdle izinja uIzebhele esiqwengeni esiseYizereli, kungabikho umngcwabayo. Waluvula ucango, wasaba.

11Ephumile uYehu, waya kubakhonzi benkosi yakhe. Kwathiwa kuye, Luxolo na? Ebezeleni na lo mbhudi? Wathi kubo, Le ndoda yaziwa níni, kwanokuthethathetha kwayo.

12Bathi, Xoka; khawusixelele. Wathi, Ùthe, wathi ukuthetha kum, Utsho uYehova ukuthi, Ndikuthambisile ukuba ube ngukumkani kumaSirayeli.

13Bakhawuleza, wathabatha elowo ingubo yakhe, wayibeka phantsi kwakhe uYehu ezinyukweni kanye, bavuthela izigodlo, bathi, UYehu ngukumkani!

14UYehu, unyana kaYehoshafati, unyana kaNimshi, wamceba ke uYoram. Ke kaloku uYoram ubeyilinda iRamoti yaseGiliyadi, yena namaSirayeli onke, ngenxa kaHazayeli ukumkani wakwa-Aram;

15ke ukumkani, uYoram, ubebuyele eYizereli, ukuba anyangwe amanxeba awawafumana kuma-Aram, esilwa noHazayeli ukumkani wakwa-Aram. Wathi uYehu, Ukuba kukuthanda kwenu, makungaphumi kusinde mntu kulo mzi, aye kuxela eYizereli.

Ukubulawa kukaYoram ukumkani wamaSirayeli noAhaziya

16Wakhwela uYehu enqwelweni, waya eYizereli; ngokuba uYoram ebelele khona. Ke uAhaziya ukumkani wamaYuda wehla, waya kumbona uYoram.

17Ke kaloku umlindi, obemi phezu kwenqaba eYizereli, wabona impi kaYehu ekuzeni kwakhe, wathi, Ndibona impi. Wathi uYoram, Thabatha okhwele ihashe, umthume aye kubakhawulela, athi, Luxolo na?

18Waya kumkhawulela loo mkhweli-hashe, wathi, Útsho ukumkani ukuthi, Luxolo na? Wathi uYehu, Yintoni na enawe noxolo? Jikela emva kwam. Waxela umlindi, wathi, Umthunywa uye wafika kubo, ke akabuyi.

19Wathuma owesibini umkhweli-hashe, waya kubo, wathi, Útsho ukumkani ukuthi, Luxolo na? Wathi uYehu, Yintoni na enawe noxolo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Jikela emva kwam. Waxela umlindi, wathi, Uye wafika kubo, ke akabuyi; ke
ukuqhuba kunjengokuqhuba kukaYehu, unyana kaNimshi; ngokuba uqhuba
ngobudlongodlongo.

21Wathi uYoram, Bopha. Yabotshwa inqwelo yakhe yokulwa. Waphuma uYoram
ukumkani wamaSirayeli, noAhaziya ukumkani wamaYuda, elowo esenqwelweni
yakhe yokulwa. Baphuma baya kumkhawulela uYehu, bamfumana esiqwengeni
somhlaba sikaNabhoti waseYizereli.

22Kwathi uYoram, akumbona uYehu, wathi, Luxolo na, Yehu? Wathi yena, Luxolo
lwani na, xa ukuhenyuza kukaIzebhele unyoko, nokukhafula kwakhe okuninzi,
kusahleliyo nje?

23UYoram wawajika amahashe ngezandla zakhe, wasaba. Wathi kuAhaziya, Licebo,
Ahaziya.

24UYehu waqubula isaphetha sakhe, watsho kuYoram phakathi kwamagxa, utolo
lwaphumela ephaphini lakhe, wee buthuthu enqwelweni yakhe.

25Wathi uYehu kuBhidekare, umphathi-mkhosi wakhe, Mthwale, umphose
esiqwengeni somhlaba kaNabhoti wakwaYizereli; ngokuba, khumbula, oko
sasikhwele thina sobabini, mna nawe, emva koAhabhi uyise, uYehova wahlaba eso
sihlabo ngaye.

26Inene amagazi kaNabhoti, namagazi oonyana bakhe, ndiwabonile izolo, utsho
uYehova; ndiya kukuphindezelela kwesi siqwenga somhlaba, utsho uYehova. Ke
ngoko mthwale, umphose esiqwengeni eso ngokwelizwi likaYehova.

27UAhaziya ukumkani wakwaYuda, ekubonile oko, wasaba ngendlela yendlu
yasemyezweni. UYehu wamsukela, wathi, Naye mgwazeleni enqwelweni yokulwa
(kube kuseqhineni leGure elingaseIblam). Wasaba ke waya eMegido, wafela khona.

28Abakhonzi bakhe bamsa ngenqwelo eYerusalem, bamngcwabela engcwabeni lakhe
kooyise, emzini kaDavide.

29Ngomnyaka weshumi elinamnye kaYoram unyana ka-Ahabhi, uAhaziya waba
ngukumkani wakwaYuda.

Ukufa kukaIzebhele

30Uthe uYehu akufika eYizereli, weva uIzebhele, waziqaba amehlo, wazihombisa
intloko, wavela ngefestile.

31Wangena uYehu esangweni, wathi yena, Luxolo na, Zimri, wena mbulali wenkosi
yakho?

32Wawaphakamisa uYehu amehlo akhe, wabheka efestileni, wathi, Ngubani na
ongakum? Ngubani na? Kwalunguza ababusi ababini, abathathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Wathi, Mkhahleleni phantsi. Amkhahlela phantsi; igazi lakhe lachaphazela udonga namahashe, wamnyathelisa ngawo.

34Wangena, wadla, wasela; wathi, Khanimvelele laa mqalekiswakazi, nimngcwabe; ngokuba yintombi yokumkani.

35Baya kumngcwaba; abawufumana umzimba wakhe, yaba lukakayi, neenyawo, neentende zezandla kuphela.

36Babuya ke, bamxelela. Wathi, Lilizwi likaYehova elo, abelithethe ngomkhonzi wakhe uEliya waseTishbhi, lisithi, Izinja ziya kuyidla inyama kaIzebhele esiqwengeni somhlaba saseYizereli,

37sithi isidumbu sikaIzebhele sibe njengomgquba phezu komhlaba esiqwengeni saseYizereli, kukuze kungàthiwa, Lo nguIzebhele.

OoKumkani II 10

UYehu utshabalalisa indlu ka-Ahabhi nabakhonzi bakaBhahali

1Waye uAhabhi enoonyana abamashumi asixhenxe kwaSamari. Wabhala incwadi uYehu, wathumela kwaSamari kubathetheli baseYizereli, kumadoda amakhulu, nakubondli bentsapho ka-Ahabhi, wathi,

2Ngoku ke, xa ifikileyo kuni le ncwadi, bekuni nje oonyana benkosi yenu, zikuni nje iinqwelo zokulwa, namahashe, nomzi onqatyisiweyo, nezikrweqe;

3khangelani oyena ufanelekileyo, othe tye, koonyana benkosi yenu, nimbeke etroneni yoyise, niyilwele indlu yenkosi yenu.

4Boyika kakhulu kunene, bathi, Yabonani, ookumkani bebabini abemanga phambi kwakhe; sothini na ukumisa thina?

5Bathuma ophethe indlu, nophethe umzi, namadoda amakhulu, nabondli, kuYehu, bathi, Singabakhonzi bakho; konke oya kukuthetha kuthi, sokwenza; asiyi kumisa mntu abe ngukumkani; yenza ngokubona kwakho.

6Wababhalela eyesibini incwadi, esithi, Ukuba ningakum, niphulaphula izwi lam, thabathani iintloko zamadoda angoonyana benkosi yenu, nizizise kum eYizereli eli xa ngomso. Ke, oonyana bokumkani, bengamashumi asixhenxe amadoda, babekwizikhulu zomzi, ezibe zibakhulisa.

7Kwathi, yakufika kubo le ncwadi, babathabatha oonyana bokumkani, babasika bengamadoda angamashumi asixhenxe, bazibeka iintloko zabo ezingobozini, bazithumela kuye eYizereli.

8Wafika umthunywa, wamxelela, wathi, Bazizisile iintloko zoonyana bokumkani. Wathi, Zibekeni zibe ziimfumba ezimbini ngaphandle kwesango kude kuse.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Kwathi kusasa waphuma, wema, wathi kubantu bonke, Ningamalungisa; yabonani,
mna ndaceba inkosi yam, ndayibulala; ngubani na ke lo uxabele bonke aba?

10Yazini ke ngoku, ukuba akuyi kuwa phantsi nento yelizwi likaYehova, awalithethayo
uYehova ngendlu ka-Ahabhi. UYehova ukwenzile ke oko wakuthethayo ngomkhonzi
wakhe uEliya.

11UYehu wababulala bonke abaseleyo bendlu ka-Ahabhi eYizereli, nezikhulu zakhe
zonke, nabazana naye, nababingeleli bakhe, kwada akwasala kuye namnye
usindileyo.

12Wesuka wemka, waya kwaSamari; kwathi, uYehu lowo esendlwini yokucheba
yabalusi, endleleni,

13wafumanana nabazalwana baka-Ahaziya, ukumkani wakwaYuda, wathi,
Ningoobani na nina? Bathi, Singabazalwana baka-Ahaziya; siyehla, siya kubulisa
oonyana bokumkani noonyana benkosikazi.

14Wathi, Babambeni behleli. Bababamba behleli, babasika ngasemhadini wendlu
yokucheba; babengamadoda angamashumi omané anamabini; akasalisa mntu kubo.

15Uthe akunduluka khona, wafumanana noYehonadabhi unyana kaRekabhi,
emkhawulela; wambulisa, wathi kuye, Ithe tye na intliziyo yakho, njengokuba injalo
intliziyo yam kwintliziyo yakho? Wathi uYehonadabhi, Injalo. Wathi, Ukuba injalo ke,
ethe isandla sakho. Wamnika isandla sakhe. Wamnyusa wamkhwelisa enqwelweni.

16Wathi, Hamba nam, ubone ikhwele lam ngenxa kaYehova. Bamkhwelisa ke naye
enqwelweni yakhe.

17Weza kwaSamari, wababulala bonke abaseleyo kuAhabhi kwaSamari, wada
wamtshabalalisa ngokwelizwi likaYehova, abelithethile kuEliya.

18UYehu wabahlanganisa bonke abantu, wathi kubo, UAhabhi wamkhonza kancinane
uBhahali, uYehu yena uya kumkhonza kakhulu.

19Ke ngoko babizeleni kum abaprofeti bakaBhahali bonke, abakhonzi bakhe bonke,
nababingeleli bakhe bonke. Makungabikho mntu ungekhoyo; ngokuba
ndinombingelelo omkhulu kuBhahali. Bonke abathe àbababakho, abayi kudla bomi.
UYehu waye esenza le nto ebalalanisa, ukuze abatshabalalise abakhonzi bakaBhahali.

20Wathi uYehu, Mmemeleni ingqungquthela engcwele uBhahali. Bayimema ke.

21UYehu wathumela kumaSirayeli onke; beza bonke abakhonzi bakaBhahali, kwada
akwasala namnye ungezanga. Bangena endlwini kaBhahali, bayizalisa indlu
kaBhahali, kwathabathela kwelinye icala kwesa kwelinye.

22Wathi kumphathi wendlu yeengubo, Barholeleni bonke abakhonzi bakaBhahali
iingubo; wabarholela ke iingubo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Wangena uYehu noYehonadabhi, unyana kaRekabhi, endlwini kaBhahali, wathi kubakhonzi bakaBhahali, Funisisani nikhangele, hleze kubekho kuni apha omnye wakubakhonzi bakaYehova; mayibe ngabakhonzi bakaBhahali bodwa.

24Bangena ke, baya kwenza imibingelelo namadini anyukayo. UYehu wayezimisele ngaphandle amashumi osibhozo amadoda, wathi, Indoda ethe yasindisa umntu kula madoda, ndiwazisileyo ezandleni zenu, umphefumlo wayo woba sesikhundleni somphefumlo walowo usindileyo.

25Kwathi, xa abegqibile ukulenza idini elinyukayo, wathi uYehu kwizigidimi nakubaphathi-mikhosi, Ngenani nibabulale; makungaphumi mntu. Babaxabela ke ngohlangothi lwekrele; zabaphosa phandle izigidimi nabaphathi-mikhosi.

26Zaya enqabeni yendlu kaBhahali, zazikhupha iintsika zendlu kaBhahali, zazitshisa;

27zazidiliza izimiso zamatye zikaBhahali, zayidiliza indlu kaBhahali, zayenza indawo ekuyiwa kuyo endle unanamhla.

28UYehu wamtshabalalisa ke uBhahali kwaSirayeli;

29kodwa izono zikaYarobheham, unyana kaNebhati, awawonisa amaSirayeli ngazo, uYehu akatyekanga ekuzilandeleni, ezingamathole egolide abeseBheteli nabekwaDan.

30Wathi uYehova kuYehu, Ngenxa enokuba ulungisile ukwenza okuthe tye emehlweni am, wenza kwindlu ka-Ahabhi njengako konke okusentliziyweni yam: oonyana bakho besizukulwana sesiné baya kukuhlalela etroneni yakwaSirayeli.

31Ke uYehu akakugcinanga ukuhamba ngomyalelo kaYehova uThixo kaSirayeli ngentliziyo yakhe yonke; akatyekanga ezonweni zikaYarobheham, awawonisa ngazo amaSirayeli.

32Ngaloo mihla waqala uYehova ukunciphisa kumaSirayeli. Wawaxabela uHazayeli emideni yonke yakwaSirayeli,

33wathabathela eYordan empumalanga, lonke ilizwe laseGiliyadi, elamaGadi, nelamaRubhen, nelamaManase; wathabathela eArohere, engasemlanjaneni oyiArnon, elaseGiliyadi nelaseBhashan.

34Ezinye izinto zikaYehu, nako konke awakwenzayo, nobukroti bakhe bonke, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

35UYehu walala kooyise, wangcwatyelwa kwaSamari. UYehowahazi, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

36Imihla uYehu awaba ngukumkani kumaSirayeli kwaSamari, yaba yiminyaka emashumi mabini anesibhozo.

OoKumkani II 11

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukuhluthwa kobukumkani kuAtaliya nokuthweswa kukaYowashe kwaYuda

1Ke kaloku uAtaliya, unina ka-Ahaziya, uthe, akubona ukuba unyana wakhe ufile,
wesuka wayitshabalalisa yonke imbewu yokumkani.

2Ke uYoshebha, intombi yokumkani uYehoram, udade boAhaziya, wamthabatha
uYowashe unyana ka-Ahaziya, wamba phakathi koonyana bokumkani ababulawáyo,
wamsa yena nomondli wakhe egumbini lokulala, bamfihla kuAtaliya, ukuba
angàbulawa.

3Wayenaye endlwini kaYehova, ezinyeziwe, iminyaka emithandathu. Waye uAtaliya
engukumkanikazi kulo ilizwe.

4Ngomnyaka wesixhenxe uYehoyada wathumela, wathabatha abathethelimakhulu
basebancinithini nabasezigidimini, wabazìsa kuye endlwini kaYehova. Wabamisela
umnqohiso, wabafungisa endlwini kaYehova, wababonisa unyana wokumkani.

5Wabawisela umthetho, wathi, Yiyo le into eniya kuyenza: Isahlulo sesithathu kuni,
bangénayo ngesabatha, sogcina isigxina sendlu yokumkani;

6esinye isahlulo sesithathu sibe sesangweni laseSure; esinye isahlulo sesithathu sibe
sesangweni emva kwezigidimi; nisigcine isigxina sendlu, nithintele.

7Ke izahlulo ezibini phakathi kwenu nonke, niphumayo ngesabatha, zosigcina isigxina
sendlu kaYehova kukumkani;

8nimphahle ukumkani ngeenxa zonke, elowo eneentonga zakhe esandleni sakhe; athi
ongene ezintlwini abulawe, nibe nokumkani ekuphumeni kwakhe nasekubuyeni
kwakhe.

9Benza ke abathetheli-makhulu ngako konke uYehoyada umbingeleli abewise
umthetho ngako. Bathabatha elowo amadoda akhe, angénayo ngesabatha, kunye
naphumayo ngesabatha, beza kuYehoyada umbingeleli.

10Umbingeleli wabanika abathetheli-makhulu iintshuntshe namakhaka abe
engawokumkani uDavide, abesendlwini kaYehova.

11Zema izigidimi, saeso saba neentonga zaso esandleni saso, zathabathela kwiphiko
lasekunene lendlu, zesa kwiphiko lasekhohlo lendlu, ngasesibingelelweni,
ngasendlwini, ngeenxa zonke kukumkani.

12Wamkhuphela phandle unyana wokumkani, wamfaka isithsaba wamnika
nesingqiniso. Bamenza ukumkani, bamthambisa, babetha izandla, bathi, Makadle
ubomi ukumkani!

13Uthe uAtaliya, akusiva isandi sezigidimi nesabantu, waya kubo abantu endlwini
kaYehova.

14Wakhangela, nanko ukumkani emi endaweni ephakamileyo ngokwesiko,
nabathetheli nabavutheli ngamaxilongo bengakukumkani; abantu bonke belizwe

© 1975 Bible Society of South Africa.

bevuya, bevuthela amaxilongo. Wazikrazula iingubo zakhe uAtaliya, wakhala wathi, Licebo!

15UYehoyada umbingeleli wabawisela umthetho abathetheli-makhulu, abaveleli bempi leyo, wathi kubo, Mkhupheleni phandle phakathi kwezintlu; omlandelayo makabulawe ngekrele. Ngokuba ubesithi umbingeleli, makangabulawelwa endlwini kaYehova.

16Bamkhwelela ngeenxa zombini. Waya endlwini yokumkani ngendlela yokungena kwamahashe, wabulawelwa khona.

17Wawenza uYehoyada umnqophiso phakathi koYehova nokumkani nabantu, ukuba babe ngabantu bakaYehova; naphakathi kokumkani nabantu.

18Baya bonke abantu belizwe endlwini kaBhahali, bayidiliza; izibingelelo zakhe nemifanekiso yakhe bayiqhekeza kwaphela. Bambulala uMatan, umbingeleli kaBhahali, phambi kwesibingelelo. Umbingeleli wamisa abaveleli endlwini kaYehova.

19Wabathabatha abathethelimakhulu, nabancinithi, nezigidimi, nabantu bonke belizwe, behla nokumkani endlwini kaYehova, baya endlwini yokumkani ngendlela yesango lezigidimi. Wahlala ke etroneni yokumkani.

20Bavuya bonke abantu belizwe; wazola umzi; kuba babembulele uAtaliya ngekrele endlwini yokumkani.

21UYowashe ubeminyaka isixhenxe ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe.

OoKumkani II 12

UYowashe uhlaziya itempile

1Waba ngukumkani uYowashe ngomnyaka wesixhenxe kaYehu; waba neminyaka emashumi mané engukumkani eYerusalem. Ke igama lonina belinguTsibheya waseBher-shebha.

2UYowashe wenza okuthe tye emehlweni kaYehova yonke imihla yakhe, abemyala ngayo uYehoyada umbingeleli.

3Kodwa izigánga azisuswanga; abantu babesabingelela beqhumisela ezigangeni.

4Wathi uYowashe kubabingeleli, Yonke imali yezinto ezingcwalisiweyo, eziswayo endlwini kaYehova, imali yógqithela kwababaliweyo, nemali yomphefumlo walowo nalowo ngokulinganiselwa kwakhe, nemali yonke ekuthe qatha entliziyweni yomntu, ukuba ayizise endlwini kaYehova,

5mabayithabathele kubo ababingeleli, elowo ayithabathe kwabazana naye, batywine iintanda zendlu, apho sukuba kufunyenwe uthanda khona.

6Kwathi ngomnyaka wamashumi omabini anesithathu wokumkani uYowashe, ababingeleli bengekazitywini iintanda zendlu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

7ukumkani uYowashe wambiza uYehoyada umbingeleli nabanye ababingeleli, wathi kubo, Yini na ukuba ningazitywini iintanda zendlu? Ke ngoko maningabi sathabatha mali kwabazana nani; yinikeleleni ukutywina iintanda zendlu.

8Bakúvuma ababingeleli ukungabi sathabatha mali ebantwini, nokuthi zingàtywinwa ngabo iintanda zendlu.

9UYehoyada umbingeleli wathabatha umkhombe, waphehla intunja esicikweni sawo, wawubeka ecaleni lesibingelelo, ngasekunene ekungeneni endlwini kaYehova, ukuze ababingeleli abagcina umbundu womnyango bayibeke khona yonke imali eziswayo endlwini kaYehova.

10Kube kusithi, bakubona ukuba ininzi imali emkhombeni, enyuke umbhali wokumkani nombingeleli omkhulu, bayibophe ngengxowa, bayibale imali efunyenweyo endlwini kaYehova.

11Bayinikela imali ilinganisiwe ezandleni zabawenzayo umsebenzi, zabayikhangelayo indlu kaYehova; bayikhuphela ke abo kwiingcibi zemithi nakubakhi abayisebenzayo indlu kaYehova,

12nakubakhi beendonga, nakubaxholi bamatye, ukuba bathenge imithi namatye axholiweyo, ukuba kutywinwe iintanda zendlu kaYehova, beyikhuphela into yonke ekhutshelwe ukuhlaziya indlu kaYehova.

13Ke indlu kaYehova ayenzelwanga zitya zasilivere, nazitshetshe, nazitya zokutshiza, namaxilongo, nanye impahla yegolide, nanye impahla yesilivere, ngemali leyo ibiziswe endlwini kaYehova;

14basuka bayinika abenzi bomsebenzi, ukuba bahlaziye ngayo indlu kaYehova.

15Babengabalelani namadoda, ababeyinikela ezandleni zawo imali leyo, ukuba ahlawule abenzi bomsebenzi; ngokuba abesebenza enyanisekile.

16Ke imali yedini letyala, nemali yelesono, ibingàziswa endlwini kaYehova; yaba yeyababingeleli.

17Ngelo xesha uHazayeli ukumkani wakwa-Aram wenyuka waya kulwa neGati, wayithimba. UHazayeli wabubhekisa ubuso bakhe ukuba enyuke aye eYerusalem.

18Wazithabatha uYowashe ukumkani wakwaYuda zonke izinto ezingcwele, ababezingcwalisile ooYehoshafati noYehoram noAhaziya, ooyise, ookumkani bakwaYuda, nezakhe izinto ezingcwele, negolide yonke eyafumanekayo ebuncwaneni bendlu kaYehova nobendlu yokumkani, wazithumela kuHazayeli ukumkani wakwa-Aram; wenyuka ke, wemka eYerusalem.

19Ezinye izinto zikaYowashe, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Basuka abakhonzi bakhe baceba icebo, bambulala uYowashe endlwini yaseMilo,
ekuyiweni eSila.

21UYozakare unyana kaShimehati, noYozabhadi unyana kaShomere, abakhonzi
bakhe, bamxabela ke, wafa. Bamngcwabela kooyise emzini kaDavide. UAmatsiya,
unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

OoKumkani II 13

UYehowahazi ukumkani wamaSirayeli

1Ngomnyaka wamashumi omabini anamithathu kaYowashe unyana ka-Ahaziya,
ukumkani wakwaYuda, waba ngukumkani uYehowahazi, unyana kaYehu,
kumaSirayeli kwaSamari, iminyaka yalishumi elinesixhenxe.

2Wenza okubi emehlweni kaYehova, walandela izono zikaYarobheham unyana
kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli; akatyeka kuzo.

3Wavutha umsindo kaYehova kumaSirayeli, wawanikela esandleni sikaHazayeli
ukumkani wakwa-Aram, nasesandleni sikaBhenhadadi, unyana kaHazayeli, yonke
imihla.

4UYehowahazi wambongoza uYehova; uYehova wamva ke; ngokuba wakubona
ukuxinwa kwamaSirayeli; ngokuba ukumkani wama-Aram wayewaxinile.

5(UYehova wawanika amaSirayeli umsindisi, aphuma phantsi kwesandla sama-Aram;
bahlala oonyana bakaSirayeli ezintenteni zabo, njengokwangaphambili;

6nakuba babengatyekanga ezonweni zendlu kaYarobheham awawonisa ngazo
amaSirayeli, asuka ahamba kuzo; noAshera wayesemi kwaSamari.)

7Ngokuba akamshiyelanga bantu uYehowahazi, yaba ngamashumi amahlanu
abamahashe, neshumi leenqwelo zokulwa, neshumi lamawaka omqikela; ngokuba
wabatshabalalisa ukumkani wakwa-Aram, wabenza baba njengothuli lokunyathelwa.

8Ezinye izinto zikaYehowahazi, nako konke awakwenzayo, nobukroti bakhe,
azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

9Walala uYehowahazi kooyise, bamngcwabela kwaSamari. UYehohashe, unyana
wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

UYehohashe ukumkani wamaSirayeli

10Ngomnyaka wamashumi omathathu anesixhenxe kaYowashe ukumkani
wakwaYuda, uYehohashe unyana kaYehowahazi waba ngukumkani wamaSirayeli
kwaSamari, iminyaka elishumi elinamithandathu.

11Wenza okubi emehlweni kaYehova; akatyeka kwizono zonke zikaYarobheham
unyana kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli; wasuka wahamba kuzo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ezinye izinto zikaYehohashe, nako konke awakwenzayo, nobukroti bakhe awalwa
ngabo noAmatsiya ukumkani wakwaYuda, azibhalwanga na encwadini yemicimbi
yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

13Walala uYehohashe kooyise; uYarobheham wahlala etroneni yakhe. UYehohashe
wangcwatyelwa kwaSamari, kookumkani bakwaSirayeli.

Ukufa kukaElisha

14Ke kaloku uElisha wayesifa sisifo awayeza kufa siso. Wehla uYehohashe ukumkani
wakwaSirayeli, waya kuye, walila phambi kwakhe, wathi, Bawo, bawo, nqwelo
yokulwa yakwaSirayeli nabamahashe bakhe!

15UElisha wathi kuye, Thabatha isaphetha neentolo. Wasithabatha ke isaphetha
neentolo.

16Wathi kukumkani wakwaSirayeli, Sityede isaphetha ngesandla sakho. Wasityeda
ngesandla sakhe; uElisha wabeka ezakhe izandla ezandleni zokumkani, wathi,

17Vula ifestile ngasempumalanga; wayivula. Wathi uElisha, Tola; watola. Wathi,
Huntshu, utolo losindiso lukaYehova! Utolo losindiso oluchase ama-Aram! Ùya
kutsho ngalo kuma-Aram eAfeki ade aphele.

18Wathi, Zithabathe iintolo; wazithabatha. Wathi kukumkani wakwaSirayeli, Tola
emhlabeni; watsho izihlandlo zazithathu, wayeka.

19Wesuka umfo wakwaThixo, wanoburhalarhume ngakuye, wathi, Unge utsho
izihlandlo zazihlanu, nokuba zithandathu; ukuze ube ùya kutsho kuma-Aram ade
aphele; useluya kutsho kuma-Aram izihlandlo zibe zithathu kuphela.

20Wafa uElisha, bamngcwaba. Ke amatutu amaMowabhi ebedla ngokulingenela
ilizwe, ukuthwasa komnyaka;

21kwathi, bengcwaba indoda, babona ngamatutu evela; bayiphosa indoda leyo
engcwabeni likaElisha. Ithe indoda leyo yakufika emathanjeni kaElisha, yasuka
yaphila, yema ngeenyawo.

Ukufa kukaHazayeli wakwa-Aram

22Ke kaloku uHazayeli, ukumkani wama-Aram, wayewaxinile amaSirayeli yonke
imihla kaYehowahazi.

23UYehova wawababala, wasikwa yimfesane ngawo, wawabheka ngenxa
yomnqophiso wakhe noAbraham noIsake noYakobi; àkavuma ukuwonakalisa
nokuwalahla ebusweni bakhe unangoku.

24Wafa uHazayeli ukumkani wama-Aram; uBhenhadade, unyana wakhe, waba
ngukumkani esikhundleni sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Wabuya uYehohashe unyana kaYehowahazi, wayithimba imizi kuBhen-hadade unyana kaHazayeli, awayeyithimbe yena kuYehowahazi uyise ngemfazwe. UYehohashe wamgxotha izihlandlo zazithathu wayibuyisa imizi yakwaSirayeli.

OoKumkani II 14

UAmatsiya ngukumkani wakwaYuda

1Ngomnyaka wesibini kaYehohashe unyana kaYehowahazi, ukumkani wakwaSirayeli, waba ngukumkani uAmatsiya, unyana kaYowashe ukumkani wakwaYuda.

2Ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mabini anesithoba engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguYehowadan waseYerusalem.

3Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova; kodwa akaba njengoDavide uyise; wenza njengako konke awakwenzayo uYowashe uyise.

4Kodwa zona izigánga azisuswanga; abantu babesabingelela beqhumisela ezingangeni.

5Wathi, bakuqiniseka ubukumkani esandleni sakhe, wababulala abakhonzi bakhe ababembulele ukumkani uyise.

6Ke oonyana bababulali abo akababulalanga, njengoko kubhaliweyo encwadini yomyalelo kaMoses, apho uYehova wayewise umthetho wokuthi, Ooyise mabangabulawa ngenxa yoonyana, oonyana mabangabulawa ngenxa yooyise; elowo makabulawe ngesakhe isono.

7Wawabulala amaEdom eSihlanjeni seTyuwa, ishumi lamawaka. Wayithimba ingxondorha ngokulwa; wathi igama layo yiYoketele unanamhla.

8Waza uAmatsiya wathumela abathunywa kuYehohashe, unyana kaYehowahazi, unyana kaYehu, ukumkani wakwaSirayeli, esithi, Yiza siqwalaselane ngamehlo.

9UYehohashe ukumkani wakwaSirayeli wathumela kuAmatsiya ukumkani wakwaYuda, wathi, Ikhakakhaka eliseLebhanon lathumela kumsedare oseLebhanon, lisithi, Unyana wam mnike intombi yakho, ibe ngumkakhe. Ke irhamncwa laseLebhanon laliwela, lalibhuqa, ikhakakhaka elo.

10Ùwabulele okunene amaEdom, yakuphakamisa intliziyo yakho; zuka ngaloo nto uhlale endlwini yakho. Yini na ukuba ufekethe ngobubi, uwe, wena namaYuda anawe?

11Akaphulaphula uAmatsiya. Wenyuka ke uYehohashe ukumkani wakwaSirayeli; baqwalaselana ngamehlo, yena noAmatsiya ukumkani wakwaYuda, eBhete-shemeshe eyeyakwaYuda.

12Aqondiswa ke amaYuda ngamaSirayeli; yangulowo wasabela ententeni yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13UYehohashe ukumkani wakwaSirayeli wambamba uAmatsiya ukumkani wakwaYuda, unyana kaYowashe, unyana ka-Ahaziya, eBhete-shemeshe, weza eYerusalem, waluqhekeza udonga lweYerusalem, wathabathela esangweni lakwaEfrayim, wesa esangweni lembombo, ikubhite ezimakhulu mané.

14Wayithabatha yonke igolide nesilivere, neempahla zonke ezafumanekayo endlwini kaYehova, nasebuncwaneni bendlu yokumkani, nabazizibambiso; wabuyela kwaSamari.

15Ezinye izinto zikaYehohashe awazenzayo, nobukroti bakhe, nokulwa kwakhe noAmatsiya ukumkani wakwaYuda, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

16Walala uYehohashe kooyise, wangcwatyelwa kwaSamari, ndawonye nookumkani bakwaSirayeli. UYarobheham, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

17Wadla ubomi uAmatsiya unyana kaYowashe, ukumkani wakwaYuda, iminyaka elishumi linesihlanu emva kokufa kukaYehohashe, unyana kaYehowahazi ukumkani wakwaSirayeli.

18Ezinye izinto zika-Amatsiya azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

19Bamceba eYerusalem, wasabela eLakishe. Bamsukela, bamfumana eLakishe, bambulalela khona.

20Bamthwala ngamahashe, bamngcwabela eYerusalem kooyise emzini kaDavide.

21Bonke abantu bakwaYuda bamthabatha uAzariya, akubon' ukuba uminyaka ilishumi linamithandathu ezelwe, bamenza ukumkani esikhundleni sika-Amatsiya uyise.

22Yakhiwa nguye iElati, wayibuyisela kumaYuda, emveni kokuba ukumkani walalayo kooyise.

UYarobheham wesibini ngukumkani wamaSirayeli

23Ngomnyaka weshumi elinesihlanu ka-Amatsiya unyana kaYowashe, ukumkani wakwaYuda, waba ngukumkani uYarobheham, unyana kaYehohashe ukumkani wakwaSirayeli, kwaSamari, iminyaka yamashumi mané anamnye.

24Wenza okubi emehlweni kaYehova; akatyeka ezonweni zonke zikaYarobheham unyana kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli.

25Yena wawubuyisa umda wakwaSirayeli: wathabathela ekungeneni kweHamati, wesa kulwandle lweArabha, ngokwelizwi likaYehova uThixo wakwaSirayeli, awalithethayo ngomkhonzi wakhe uYona unyana ka-Amitayi, umprofeti waseGati-hefere.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Ngokuba uYehova wakubona ukubandezelwa kwamaSirayeli ukuba kukrakra kakhulu, úphelile ovalelweyo, úphelile ovulelweyo, kungekho namncedi kwaSirayeli.

27UYehova akatshongo ukuthi, uya kulicima igama lamaSirayeli phantsi kwezulu; wawasindisa ke ngesandla sikaYarobheham unyana kaYehohashe.

28Ezinye izinto zikaYarobheham nako konke awakwenzayo, nobukroti bakhe awalwa ngabo, awayibuyisela ngabo iDamasko neHamati yakwaYuda kumaSirayeli, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

29Walala uYarobheham kooyise, kookumkani bakwaSirayeli; uZekariya, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

OoKumkani II 15

OoKumkani ngookumkani

1Ngomnyaka wamashumi omabini anesixhenxe kaYarobheham ukumkani wakwaSirayeli, waba ngukumkani uAzariya, unyana ka-Amatsiya ukumkani wakwaYuda.

2Ubeminyaka ilishumi linamithandathu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe. Waba neminyaka emashumi mahlanu anamibini engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguYekoliya waseYerusalem.

3Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, njengako konke awakwenzayo uAmatsiya uyise;

4kodwa azisuswanga izigánga; abantu babesabingelela beqhumisela ezigangeni.

5UYehova wambetha ukumkani, waba neqhenqa kwada kwayimini yokufa kwakhe; wahlala endlwini eyodwa. Ke uYotam, unyana wokumkani, ebephethe ibhotwe, ebalawula abantu belizwe.

6Ezinye izinto zika-Azariya, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

7Walala uAzariya kooyise; bamngcwabela kooyise emzini kaDavide. UYotam, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

8Ngomnyaka wamashumi omathathu anesibhozo ka-Azariya ukumkani wakwaYuda, waba ngukumkani uZekariya, unyana kaYarobheham, kumaSirayeli kwaSamari, iinyanga ezintandathu.

9Wenza okubi emehlweni kaYehova, njengoko benza ngako ooyise; akatyeka ezonweni zikaYarobheham unyana kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli.

10UShalum unyana kaYabheshe wamceba, wamxabela phambi kwabantu, wambulala; waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ezinye izinto zikaZekariya, nanzo zibhaliwe encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli.

12Lilizwi elo awalithethayo uYehova kuYehu lokuthi, Kuwe kuya kuhlala oonyana besesiné isizukulwana etroneni yakwaSirayeli. Kwaba njalo ke.

13UShalum unyana kaYabheshe waba ngukumkani ngomnyaka wamashumi omathathu anesithoba kaUziya ukumkani wakwaYuda. Waba ngukumkani inyanga iphela kwaSamari.

14Wenyuka uMenahem unyana kaGadi, esuka eTirtsa, waya kwaSamari, wamxabela uShalum unyana kaYabheshe kwaSamari, wambulala, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

15Ezinye izinto zikaShalum, necebo lakhe awalicebayo, nanzo zibhalwe encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli.

16Waza uMenahem wachitha iTifesa nento yonke ebikuyo, nemida yayo, ephuma eTirtsa; ngokuba ingamvulelanga, wayixabela; wabaqangqulula bonke abamithiyo kuyo.

17Ngomnyaka wamashumi omathathu anesithoba ka-Azariya ukumkani wakwaYuda, waba ngukumkani uMenahem unyana kaGadi kumaSirayeli kwaSamari, iminyaka yalishumi.

18Wenza okubi emehlweni kaYehova; akatyeka ezonweni zikaYarobheham unyana kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli, yonke imihla yakhe.

19Walifikela ilizwe uPuli, ukumkani waseAsiriya; uMenahem wamnika uPuli iwaka leetalente zesilivere, ukuze izandla zakhe zibe ngakuye, ukuze abuqinise ubukumkani esandleni sakhe.

20UMenahem wayibiza isilivere leyo kumaSirayeli, kumadoda onke azizityebi, ukuba anike ukumkani waseAsiriya: yangamashumi omahlanu eeshekele zesilivere kumntu emnye. Wabuya ke ukumkani waseAsiriya; akahlala ezweni elo.

21Ezinye izinto zikaMenahem, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli?

22Walala uMenahem kooyise; uPekaya, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

23Ngomnyaka wamashumi omahlanu ka-Azariya ukumkani wakwaYuda, waba ngukumkani uPekaya, unyana kaMenahem, kumaSirayeli kwaSamari, iminyaka yamibini.

24Wenza okubi emehlweni kaYehova; akatyeka ezonweni zikaYarobheham unyana kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25UPeka, unyana kaRemaliya, umphathi-mkhosi wakhe, wamceba wamxabela kwaSamari enqabeni yendlu yokumkani, noArgobhi noAriye, enamadoda angamashumi omahlanu koonyana bamaGiliyadi; wambulala, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

26Ezinye izinto zikaPekaya, nako konke awakwenzayo, nanzo zibhaliwe encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli.

27Ngomnyaka wamashumi omahlanu anamabini ka-Azariya ukumkani wakwaYuda, uPeka, unyana kaRemaliya, waba ngukumkani kumaSirayeli kwaSamari, iminyaka yamashumi mabini.

28Wenza okubi emehlweni kaYehova; akatyeka ezonweni zikaYarobheham unyana kaNebhati, awawonisa ngazo amaSirayeli.

29Ngemihla kaPeka ukumkani wakwaSirayeli, kwafika uTigelate-pilezere ukumkani waseAsiriya, wayithabatha i-Iyon, neAbhele-bhete-mahaka, neYanowa, neKedeshe, neHatsore, nelaseGiliyadi, nelaseGalili, lonke ilizwe lakwaNafetali; wabathimba, wabafudusa wabása eAsiriya.

30UHoseya unyana kaEla wamceba uPeka unyana kaRemaliya, wamxabela, wambulala, waba ngukumkani esikhundleni sakhe ngomnyaka wamashumi amabini kaYotam, unyana kaUziya.

31Ezinye izinto zikaPeka, nako konke awakwenzayo, nanzo zibhaliwe encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaSirayeli.

32Ngomnyaka wesibini kaPeka unyana kaRemaliya, ukumkani wakwaSirayeli, waba ngukumkani uYotam unyana kaUziya, ukumkani wakwaYuda.

33Ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe. Waba neminyaka elishumi linamithandathu engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguYerusha, intombi kaTsadoki.

34Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova; wenza njengako konke awakwenzayo u-Uziya uyise.

35Kodwa izigánga azisuswanga; abantu babesabingelela beqhumisela ezigangeni. Yena walakha isango langasentla lendlu kaYehova.

36Ezinye izinto zikaYotam, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

37Ngaloo mihla waqala uYehova ukuthumela kwaYuda uRetsin, ukumkani wakwa-Aram, noPeka unyana kaRemaliya.

38Walala uYotam kooyise, wangcwatyelwa kooyise emzini kaDavide uyise; uAhazi, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

OoKumkani II 16

© 1975 Bible Society of South Africa.

UAhazi ukumkani wamaYuda

1Ngomnyaka weshumi elinesixhenxe kaPeka unyana kaRemaliya, waba ngukumkani
uAhazi, unyana kaYotam, ukumkani wakwaYuda.

2UAhazi ubeminyaka imashumi mabini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe. Waba
neminyaka elishumi linamithandathu engukumkani eYerusalem. Akakwenza okuthe
tye emehlweni kaYehova uThixo wakhe, njengoDavide uyise.

3Wahamba ngendlela yookumkani bakwaSirayeli; kananjalo wamcandisa emlilweni
unyana wakhe, ngokwamasikizi eentlanga, awazigqogqayo uYehova phambi
koonyana bakaSirayeli.

4Wabingelela, waqhumisela ezigangeni, nasezindulini, naphantsi kwemithi yonke
eluhlaza.

5Kwaza kwenyuka uRetsin, ukumkani wakwa-Aram, noPeka unyana kaRemaliya,
ukumkani wakwaSirayeli, beza kulwa eYerusalem; bamngqinga uAhazi, àbaba nako
ukumeyisa.

6Ngelo xesha uRetsin ukumkani wakwa-Aram wayibuyisela iElati kuma-Aram,
wawagxotha amaYuda e-Elati. Eza ama-Aram e-Elati, ahlala khona unanamhla.

7Wathumela abathunywa uAhazi kuTigelate-pilezere ukumkani waseAsiriya, wathi,
Ndingumkhonzi wakho, ndingunyana wakho; nyuka uze kundisindisa esandleni
sokumkani wakwa-Aram, nasesandleni sokumkani wakwaSirayeli, abandivunukeleyo.

8UAhazi wayithabatha isilivere negolide eyafumanekayo endlwini kaYehova,
nasebuncwaneni bendlu yokumkani, wayithumela kukumkani waseAsiriya isisicengo.

9Ukumkani waseAsiriya wamphulaphula; wenyuka ukumkani waseAsiriya waya
eDamasko, wayithimba, wabafudusa abantu wabása eKiri, wambulala uRetsin.

10Ukumkani uAhazi waya kumhlangabeza uTigelate-pilezere, ukumkani waseAsiriya,
eDamasko. Wabona isibingelelo esiseDamasko. UAhazi ukumkani wayithumela
imfano yesibingelelo eso, isilinganiso saso ngokusetyenzwa kwaso konke, ku-Uriya
umbingeleli.

11Wasakha ke isibingelelo u-Uriya umbingeleli, njengako konke abemthumele khona
uAhazi ukumkani eDamasko. Wenjenjalo u-Uriya umbingeleli, wada wafika ukumkani
uAhazi evela eDamasko.

12Weza ukumkani evela eDamasko, wasibona ukumkani isibingelelo eso; wasondela
ukumkani kuso isibingelelo, wenyuka waya kuso;

13waqhumisela ngedini lakhe elinyukayo nangomnikelo wakhe wokudla, wathulula
umnikelo wakhe othululwayo, watshiza ngegazi lemibingelelo yakhe yoxolo
esibingelelweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ke isibingelelo sobhedu, esibe siphambi koYehova, wasisusa phambi kwendlu, phakathi kwesibingelelo sakhe nendlu kaYehova, wasisondeza, wasibeka ecaleni lesibingelelo ngentla.

15UAhazi ukumkani wamwisela umthetho u-Uriya umbingeleli, wathi, Phezu kwesibingelelo esikhulu qhumisela ngedini elinyukayo lokusa, nangomnikelo wokudla wangokuhlwa, nangedini elinyukayo lokumkani, nangomnikelo wakhe wokudla, nangedini elinyukayo labantu bonke belizwe, nangomnikelo wabo wokudla, nangeminikelo yabo ethululwayo, utshize kuso ngegazi lonke ledini elinyukayo, negazi lonke lombingelelo; ke sona isibingelelo sobhedu ndiya kukha ndibuzise ngaso.

16Wenza ke u-Uriya umbingeleli njengako konke awamwisela umthetho ngako ukumkani uAhazi.

17Ukumkani uAhazi waziqhawula iipanele zeenqwelwana, wazisusa kuzo iingqayi; waluthula ulwandle ezinkomeni zobhedu, ezibe zingaphantsi kwalo, walubeka phezu kwesiseko samatye.

18Igumbi elisithelisiweyo lesabatha, ababelakhé ngasendlwini, nendawo yokungena ukumkani ebingaphandle, wayishenxisela endlwini kaYehova, ngenxa yokumkani waseAsiriya.

19Ezinye izinto zika-Ahazi awazenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

20Walala uAhazi kooyise, wangcwatyelwa kooyise emzini kaDavide; waba ngukumkani uHezekiya unyana wakhe esikhundleni sakhe.

OoKumkani II 17

Ukuthinjwa komzi wakwaSamari ngama-Asiriya

1Ngomnyaka weshumi elinesibini ka-Ahazi ukumkani wakwaYuda, uHoseya, unyana kaEla, waba ngukumkani kwaSamari kumaSirayeli, iminyaka yasithoba.

2Wenza okubi emehlweni kaYehova; noko akaba njengookumkani bakwaSirayeli ababephambi kwakhe.

3UShalemanesere ukumkani waseAsiriya wenyuka, wamfikela uHoseya; waba ngumkhonzi wakhe, wamana emrholela iminikelo.

4Ke kaloku ukumkani waseAsiriya wamfumana uHoseya eliphamba, ngokuthi athume izigidimi kuSo, ukumkani wamaYiputa, angawunyusi awuse umnikelo kukumkani waseAsiriya, njengokweminyaka ngeminyaka; ukumkani waseAsiriya wamvalela ke, wamkhonkxa entolongweni.

5Ukumkani waseAsiriya waligqiba lonke ilizwe; wenyuka waya kumzi wakwaSamari, wawungqinga iminyaka emithathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ngomnyaka wesithoba kaHoseya, ukumkani waseAsiriya wawuthimba umzi wakwaSamari, wawafudusela amaSirayeli eAsiriya, wawabeka eHala, naseHabhore, emlanjeni oyiGozan, nasemizini yamaMedi.

7Kwenzeka oko kuba oonyana bakaSirayeli bonayo kuYehova uThixo wabo, owabanyusayo ezweni lamaYiputa, wabarhola phantsi kwesandla sikaFaro ukumkani waseYiputa; boyika thixo bambi,

8bahamba emimiselweni yeentlanga, ebezigqogqe uYehova ebusweni boonyana bakaSirayeli, nakweyookumkani bakwaSirayeli, ababeyenzile.

9Oonyana bakaSirayeli benza ngasese izinto ezingezizo kuYehova uThixo wabo, bazakhela izigánga emizini yabo yonke, kwathabathela kwinqaba yababoniseli kwesa kumzi onqatyisiweyo.

10Bazimisela izimiso zamatye nooAshera ezindulini zonke ezinde, naphantsi kwemithi yonke eluhlaza;

11baqhumisela khona ezigangeni zonke, njengeentlanga awazifudusayo uYehova ebusweni babo. Benza izinto ezimbi zokumqumbisa uYehova;

12bakhonza izigodo ezizizithixo, wathi uYehova kubo, Ize ningazenzi ezo nto.

13Waqononondisa uYehova kwaSirayeli nakwaYuda, ngabaprofeti bonke, iimboni ngeemboni, esithi, Buyani ezindleleni zenu ezimbi, nigcine imithetho yam, imimiselo yam, ngokomyalelo wonke endawumisela ooyihlo, endawuthumela kuni ngesandla sabakhonzi bam abaprofeti.

14Abeva, bazenza lukhuni iintamo zabo, njengeentamo zooyise abangakholwanga nguYehova uThixo wabo.

15Bayicekisa imimiselo yakhe, nomnqophiso wakhe awawenzayo nooyise babo, nezingqino zakhe awazingqinayo kubo; balandela izinto ezingento, baba ziinto ezingento, balandelana neentlanga ezibangqongileyo, awayebawisele umthetho uYehova ngazo, ukuba bangenzi njengazo.

16Bayishiya yonke imithetho kaYehova uThixo wabo, bazenzela umfanekiso otyhidiweyo, amathole amabini, benza uAshera, baqubuda kumkhosi wonke wezulu, bakhonza uBhahali.

17Bacandisa oonyana babo neentombi zabo emlilweni, bavumisa, bahlaba izihlabo, bazithengisela ukwenza okubi emehlweni kaYehova, ukuba bamqumbise.

18UYehova waba nomsindo omkhulu kunene kumaSirayeli, wawasusa ebusweni bakhe, yaba sisizwe sakwaYuda sodwa esasalayo.

19KwanamaYuda akayigcinanga imithetho kaYehova uThixo wawo; ahamba ngemimiselo yamaSirayeli abeyenzile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Wayilahla ke uYehova yonke imbewu yakwaSirayeli, wabacinezela, wabanikela esandleni sabaphangi, wada wabagxotha ebusweni bakhe.

21Ngokuba wawakrazula amaSirayeli endlwini kaDavide; aza amenza ukumkani uYarobheham unyana kaNebhati. UYarobheham wawawexula amaSirayeli ekumlandeleni uYehova, wawonisa ngesono esikhulu.

22Bahamba oonyana bakaSirayeli ezonweni zonke zikaYarobheham awazenzayo àbatyeka kuzo,

23wada uYehova wawasusa amaSirayeli ebusweni bakhe, njengoko wakuthethayo ngabakhonzi bakhe bonke, abaprofeti. Afuduswa ke amaSirayeli emhlabeni wawo, asiwa eAsiriya, unanamhla.

Izizwe zasemzini zingena kwelakwaSamari

24Ke kaloku ukumkani waseAsiriya wazisa abantu, bevela eBhabheli, naseKuta, naseAva, naseHamati, naseSefarvayim, wababeka emizini yakwaSamari, esikhundleni soonyana bakaSirayeli. Balihlutha elakwaSamari, bahlala emizini yalo.

25Kwathi ekuqaleni kokuma kwabo khona, àbamoyika uYehova; uYehova wathuma iingonyama phakathi kwabo; zaya zibulala phakathi kwabo.

26Bathetha ke kukumkani waseAsiriya, bathi, Iintlanga ozifudusileyo, wazibeka emizini yelakwaSamari, àzilazi isiko loThixo weli lizwe; úzithumele ke iingonyama; yabona, ziyazibulala, ngokokuba zingalazi isiko loThixo weli lizwe.

27Wawisa umthetho ukumkani waseAsiriya wathi, Yisani wathi, Yisani apho omnye wababingeleli enabafudusa khona, aye ahlale khona, abafundise isiko loThixo weli lizwe.

28Waya ke omnye wababingeleli, ababefudusiwe kwelakwaSamari, wahlala eBheteli, wamana ebafundisa ukuba mabathini na ukumoyika uYehova.

29Lwaye uhlanga ngohlanga lusenza oothixo balo, lubamisa ezindlwini zezigánga awazenzayo amaSamari, uhlanga ngohlanga emizini yalo, apho beluhlala khona.

30Amadoda aseBhabheli enza uSukoti-bhenoti, amadoda aseKuti enza uNeregale; amadoda aseHamati enza uAshima;

31awaseAya enza uNibhehas noTartake; awaseSefarvayim atshisa oonyana bawo ngomlilo kuAdrameleki noAnameleki, oothixo baseSefarvayim.

32Ebemoyika noYehova; azenzela eluntwini lonke ababingeleli bezigánga, ábabenzela amadini ezindlwini zezigánga.

33UYehova ayemoyika, oothixo bawo ebakhonza ngokwesiko leentlanga ababefuduswe kuzo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Unanamhla enza ngokwamasiko amhlamnene; akamoyiki uYehova, engenzi ngeyawo imimiselo nangelawo isiko, nangokomyalelo nomthetho, awabawiselayo uYehova oonyana bakaYakobi, awamnika igama elinguSirayeli.

35Wenza umnqophiso nabo uYehova, wabawisela umthetho, wathi, Ize ningoyiki thixo bambi, ningabanquli, ningabakhonzi, ningabingeleli kubo;

36nguYehova yedwa owaninyusayo ezweni laseYiputa ngamandla amakhulu nangengalo eyolukileyo; nguye eniya koyika yena, nimnqule, nibingelele kuye;

37imimiselo, namasiko, nomyalelo, nomthetho awanibhalelayo, nigcine ukwenza yona yonke imihla, ningoyiki thixo bambi;

38umnqophiso endawenza nani, ningawulibali wona, ningoyiki thixo bambi.

39NguYehova uThixo wenu yedwa eniya koyika yena; wonihlangula esandleni seentshaba zenu yena.

40Àbaphulaphulanga; benza ngokwesiko labo lamhlamnene.

41Zaye zisithi ke ezo ntlanga zoyike uYehova, zikhonze nemifanekiso yazo eqingqiweyo; kananjalo abantwana bazo, nabantwana babantwana bazo, njengoko benza ngako ooyise, benza ngako nabo unanamhla.

OoKumkani II 18

UHezekiya ngukumkani wamaYuda

1Kwathi ngomnyaka wesithathu kaHoseya unyana kaEla, ukumkani wakwaSirayeli, waba ngukumkani uHezekiya, unyana ka-Ahazi ukumkani wakwaYuda.

2Ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mabini anesithoba engukumkani eYerusalem. Igama lonina libe linguAbhi, intombi kaZekariya.

3Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, njengako konke awakwenzayo uDavide uyise.

4Wazisusa izigánga, waziqhekeza izimiso zamatye, wamgawula uAshera, wayiqoba inyoka yobhedu awayenzayo uMoses; ngokuba kwada kwayiloo mini oonyana bakaSirayeli beqhumisela kuyo, kwathiwa loo nto lubhedu nje kodwa.

5Wakholosa ngoYehova uThixo kaSirayeli; emveni kwakhe akubangakho unjengaye phakathi kookumkani bonke bakwaYuda, naphakathi kwabo babekho ngaphambi kwakhe.

6Wanamathela kuYehova; akatyeka ekumlandeleni; wayigcina imithetho abethé uYehova wayiwisela uMoses.

7UYehova waba naye; wenza ngengqiqo ezintweni zonke aziphumeleyo. Wagwilika kukumkani waseAsiriya, àkamkhonza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Yena wawaxabela amaFilisti, wada wesa eGaza nasemdeni wayo, wathabathela enqabeni yababoniseli, wesa emzini onqatyisiweyo.

9Kwathi ngomnyaka wesiné wokumkani uHezekiya (lowo ngumnyaka wesixhenxe kaHoseya unyana kaEla, ukumkani wakwaSirayeli), wenyuka uShalemanesere, ukumkani waseAsiriya, wawufikela umzi wakwaSamari, wawungqinga.

10Bawuthimba ekupheleni kweminyaka emithathu, ngomnyaka wesithandathu kaHezekiya (lowo ngumnyaka wesithoba kaHoseya, ukumkani wakwaSirayeli); wathinjwa ke umzi wakwaSamari.

11Ukumkani waseAsiriya wawafudusela amaSirayeli eAsiriya, wawabeka eHala, naseHabhore emlanjeni oyiGozan, nasemizini yamaMedi,

12ngenxa enokuba engaliphulaphulanga ilizwi likaYehova uThixo wawo; esuka awugqitha umnqophiso wakhe, nako konke awawisa umthetho ngako uMoses umkhonzi kaYehova; akeva, akenza.

USaneribhe ukumkani waseAsiriya uhlasela uYuda

13Ke kaloku ngomnyaka weshumi elinesiné wokumkani uHezekiya, wenyuka uSaneribhe, ukumkani waseAsiriya, waya kuyo yonke imizi enqatyisiweyo yakwaYuda, wayithabatha.

14UHezekiya ukumkani wakwaYuda wathumela kukumkani waseAsiriya eLakishe, esithi, Ndonile, buya umke kum; othe wakubeka phezu kwam ndokuthwala. Waza ukumkani waseAsiriya wabeka phezu koHezekiya ukumkani wakwaYuda amakhulu omathathu eetalente zesilivere, namashumi omathathu eetalente zegolide.

15UHezekiya wamnika yonke isilivere eyafunyanwa endlwini kaYehova, nasebuncwaneni bendlu yokumkani.

16Ngelo xesha uHezekiya wayinqamla igolide yeengcango zetempile kaYehova, nemigubasi abeyalékile uHezekiya ukumkani wakwaYuda, wayinika ukumkani waseAsiriya.

17Ukumkani waseAsiriya wasusa uTartan noRabhesarisi noRabheshake eLakishe, baya kukumkani uHezekiya eYerusalem, benempi enzima. Benyuka baya eYerusalem. Benyuka ke, bafika, bema emjelweni wechibi langasentla, osemendweni wentsimi yomsuki weengubo.

18Bamemeza kukumkani. Kwaphuma kwaya kubo uEliyakim unyana kaHilekiya, umphathi wendlu, noShebhena umbhali, noYowa unyana ka-Asafu, umkhumbuzi wezinto zakomkhulu.

19Wathi kubo uRabheshake, Khanithi kuHezekiya, Utsho ukumkani omkhulu, ukumkani waseAsiriya, ukuthi, Yeyani na le nkoloseko ukholose ngayo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Ùthi (ùthetha into yomlomo wodwa), ùneqhinga nobugorha bokulwa. Ukholosé ngabani na, ugwilike kum nje?

21Uyabona, ukholose ngaloo msimelelo wengcongolo evikivekileyo, iYiputa, ethi, othe wayama ngayo, imngene esandleni, imhlabe. Únjalo uFaro, ukumkani waseYiputa, kubo bonke abakholose ngaye.

22Ke ukuba nithi kum, Sikholosé ngoYehova uThixo wethu; ndithi, Àsinguye na lo uzigánga nezibingelelo azisusileyo uHezekiya, watsho kumaYuda nakwiYerusalem ukuthi, Ize niqubude phambi kwesi sibingelelo eYerusalem apha?

23Khawubekelane kaloku nenkosi yam ukumkani waseAsiriya: ndokunika amawaka amabini amashashe, ukuba ùnako ukundinika abakhweli bokukhwela kuwo.

24Wòthini na ukubujika ubuso benkosana enye, yakubo abancinane babakhonzi benkosi yam, ukholose nje ngeYiputa ngeenqwelo zokulwa, nangabamahashe?

25Ngokunje ndinyuké ndeza kuyonakalisa le ndawo, ndingenaye uYehova yini na? NguYehova lo uthe kum, Nyuka, uye kulonakalisa eli lizwe.

26Wathi uEliyakim, unyana kaHilekiya, noShebhena, noYowa, kuRabheshake, Khawuthethe kubakhonzi bakho ngesiAram, kuba sisiva. Musa ukuthetha nathi ngesiYuda ezindlebeni zabantu abaseludongeni.

27Wathi uRabheshake kubo, Inkosi yam indithumé ukuba ndiwathethe la mazwi enkosini yakho na, nakuwe na? Àsikula madoda ahleliyo eludongeni yini na, ukuze adle ilindle lawo, asele umchamo wawo nani?

28Wema uRabheshake, wadanduluka ngelizwi elikhulu ngesiYuda, wathetha, wathi, Yivani ilizwi lokumkani omkhulu, lokumkani waseAsiriya:

29úthi ukumkani, Makanganilukuhli uHezekiya; ngokuba akayi kuba nako ukunihlangula esandleni sam.

30Makanganikholosisi ngoYehova uHezekiya, esithi, Inene, uya kusihlangula uYehova; lo mzi awusayi kunikelwa esandleni sokumkani waseAsiriya.

31Musani ukumphulaphula uHezekiya; ngokuba utsho ukumkani waseAsiriya, ukuthi, Xolisanani nam, niphume nize kum, nidle elowo umdiliya wakhe, elowo umkhiwane wakhe, nisele elowo amanzi equla lakhe;

32ndide ndize ndinise ezweni elinjengelizwe lenu, ilizwe lengqolowa newayini entsha, ilizwe lesonka nezidiliya, ilizwe lomnquma oneoli, elinobusi, nidle ubomi, ningafi. Musani ukumphulaphula uHezekiya; ngokuba uyaninyanga xa athi, UYehova uya kunihlangula.

33Oothixo beentlanga balihlangula na elowo ilizwi lakhe esandleni sokumkani waseAsiriya!

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Baphi na oothixo baseHamati neArpadi? Baphi na oothixo baseSefarvayim,
neHena, neIva, ukuba bangabi balihlangula elakwaSamari esandleni sam?

35Nguwuphi na koothixo bonke bala mazwe, olihlanguleyo ilizwe lakhe esandleni
sam, ukuba ade uYehova ayihlangule iYerusalem esandleni sam?

36Bathi tu abantu, àbamphendula nalizwi; ngokuba umthetho wokumkani wona
ubusithi, Ize ningamphenduli.

37Beza ke ooEliyakim unyana kaHilekiya, umphathi wendlu, noShebhena umbhali,
noYowa unyana ka-Asafu, umkhumbuzi wezinto zakomkhulu, kuHezekiya,
bezikrazule iingubo zabo, bamxelela amazwi kaRabheshake.

OoKumkani II 19

Umthandazo kaHezekiya nesiprofeto sikaIsaya ngokutshatyalaliswa kukaSaneribhe

1Kwathi, akukuva oko ukumkani uHezekiya, wazikrazula iingubo zakhe, wazigquma
ngezirhwexayo, wangena endlwini kaYehova.

2Wathuma uEliyakim umphathi wendlu, noShebhena umbhali, namadoda amakhulu
ababingeleli, ezigubungele ngezirhwexayo, kuIsaya umprofeti, unyana ka-Amotse.

3Bathi kuye, Utsho uHezekiya ukuthi, Le mini yimini yembandezelo, neyokohlwaywa,
neyogibo; ngokuba abantwana baze kufika emlonyeni wesizalo, tu ke amandla
okuzala.

4Mhlawumbi uYehova uThixo wakho angaweva onke amazwi kaRabheshake,
othunywe ngukumkani waseAsiriya inkosi yakhe, ukungcikiva uThixo ophilileyo;
amohlwaye ngenxa yamazwi lawo awavileyo uYehova uThixo wakho. Nyusa ke
umthandazo ngenxa yamaqongqolo asekhoyo.

5Baya ke abakhonzi bokumkani uHezekiya kuIsaya.

6Wathi uIsaya kubo, Nòtsho kwinkosi yenu ukuthi, Utsho uYehova ukuthi, Musa
ukuwoyika amazwi owavileyo, abandinyelise ngawo abafana bokumkani waseAsiriya.

7Yabona, ndimfaka umoya, ukuba eve udaba olubi, abuye ke aye ezweni lakhe,
ndimwise ngekrele ezweni lakhe.

8Wabuya ke uRabheshake, wamfumana ukumkani waseAsiriya esilwa neLibhena;
ngokuba ebevile ukuba undulukile eLakishe.

9Weva kusithiwa ngoTiraka, ukumkani wakwaKushi, Nanko ephuma eza kulwa nawe.
Wabuya wathumela abathunywa kuHezekiya, esithi,

10Nòtsho kuHezekiya, ukumkani wakwaYuda, ukuthi, Musa ukulukuhlwa nguThixo
wakho, okholose ngaye wena, usithi, Ayisayi kunikelwa iYerusalem esandleni
sokumkani waseAsiriya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Uyabona, ùkuvile wena oko bakwenzáyo ookumkani baseAsiriya kumazwe onke, ukuba bawaphanzisa. Ùya kuhlangulwa na ke wena?

12Oothixo beentlanga bazihlangula na ke ezo zàtshatyalaliswa ngoobawo: iGozan, neHaran, neRetsefe, nabase-Eden ababeseTelasare?

13Uphi na ukumkani weHamati, nokumkani weArpadi, nokumkani womzi waseSefarvayim, neHena, neIva?

14Wawathabatha uHezekiya amaphepha eencwadi ezandleni zabathunywa, wawalesa; wenyuka waya endlwini kaYehova, wawaneka uHezekiya phambi koYehova.

15Wathandaza uHezekiya phambi koYehova, wathi, Yehova, Thixo wakwaSirayeli, ùhleli wena phakathi kweekerubhi, unguye uThixo wena wedwa kwizikumkani zonke zehlabathi; wena uwenzile amazulu nehlabathi.

16Thoba indlebe yakho, Yehova, uve; vula amehlo akho, Yehova, ubone; uweve amazwi kaSaneribhe, othumé ukungcikiva ngawo uThixo ophilileyo.

17Okunene, Yehova, ookumkani baseAsiriya bazichithile iintlanga namazwe azo,

18babanikela oothixo bazo emlilweni, kuba babengethixo, babengumsebenzi wezandla zomntu, umthi nelitye; babatshababalisa ke.

19Ke ngoko, Yehova Thixo wethu, khawusisindise esandleni sakhe, zazi zonke izikumkani zehlabathi ukuba wena unguYehova uThixo wedwa.

20Wathumela ke uIsaya, unyana ka-Amotse, kuHezekiya, esithi, Utsho uYehova, uThixo wakwaSirayeli, ukuthi, Okuthandazeleyo kum ngokubhekisele kuSaneribhe ukumkani waseAsiriya, ndikuvile.

21Lilo eli ilizwi alithethileyo uYehova ngaye, Intombi eyintombi enguZiyon iyakudela, iyakugculela; intombi enguYerusalem ihlunguzela intloko emva kwakho.

22Ngubani na lo ùmngcikivileyo, ùmnyelisileyo? Ngubani na lo umphakamisele izwi lakho, uwaphakamisele amehlo akho phezulu nje? NgoyiNgcwele wakwaSirayeli.

23Ngabathunywa bakho ùyingcikivile iNkosi, wathi, Ngobuninzi beenqwelo zam zokulwa ndiqabele mna ezintlomeni zeentaba, emathambekeni eLebhanon; ndiyayigawula imisedare yayo emide kakhulu, nemisipres yayo enyuliweyo, ndifíke kweyokuphela indawo yayo yokulalisa, ehlathini lentsimi yayo echumayo.

24Mna ndimbé ndasela amanzi abefudula engekho, ndayomisa ngeentende zeenyawo zam yonke imijelo yaseYiputa.

25Akuvanga na? Kwakude ndakwenza oku, kwangemihla yamandulo ndakubumba. Ndikufikisile, kwenzeka ngoku, ukuba uyikhahlele phantsi imizi enqatyisiweyo, ibe yingxakangxaka yemiwewe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Abemi bayo bánqumka izandla, baqhiphuka umbilini, badana, baba ngumfuno wasendle, nohlaza, utyani obuphezu kwendlu, isihumba engqoloweni ingekabi mvila.

27Ke, ukuhlala kwakho, nokuphuma kwakho, nokungena kwakho, ndiyakwazi, nokuguguma kwakho ngam.

28Ngenxa yokundigugumela kwakho, nangenxa yokutyesha kwakho okunyuke kweza ezindlebeni zam, ndiya kufaka ikhonkco lam empumlweni yakho, nomkhala wam emlonyeni wakho, ndikubuyise ngendlela oweza ngayo.

29Ke kaloku nguwo lo umqondiso kuwe: lo mnyaka kodliwa ummilela, ngomnyaka wesibini kodliwa isihlabane, ngomnyaka wesithathu nòhlwayela nivune, nityale izidiliya, nidle iziqhamo zazo;

30abasindileyo bendlu yakwaYuda, abo baseleyo, babuye bendelisele iingcambu phantsi, benzé iziqhamo phezulu.

31Ngokuba kuya kuphuma eYerusalem abaseleyo, nabasindileyo entabeni yeZiyon. Ubukhwele bukaYehova wemikhosi buya kukwenza oko.

32Ngako oko utsho uYehova ngokubhekisele kukumkani waseAsiriya, ukuthi, Akayi kungena kulo mzi; akayi kutola notolo kuwo; akayi kuwuzela enengweletshetshe, akayi kuwufumbela ludonga lwakungqinga.

33Ùya kubuya ngendlela aweza ngayo; akasayi kungena kulo mzi; utsho uYehova.

34Ndiya kuwukhusela lo mzi, ndiwusindise ngenxa yam, nangenxa kaDavide umkhonzi wam.

35Kwathi ngobo busuku, kwaphuma isithunywa sikaYehova, saxabela emkhosini wama-Asiriya ikhulu elinamanci asibhozo anesihlanu lamawaka. Bavuka kusasa, nango, ezizidumbu ezifileyo onke.

36Wanduluka wahamba, wabuya uSaneribhe ukumkani waseAsiriya, wahlala eNineve.

37Kwathi, enqula endlwini kaNiseroki uthixo wakhe, bamxabela ngekrele ooAdrameleki noSharetsere, oonyana bakhe. Baza basabela ezweni laseArarati. UEsar-hadon, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

OoKumkani II 20

Ukugula nokuchacha kukaHezekiya

1Ngaloo mihla wayesifa uHezekiya, eza kufa. Waya umprofeti uIsaya, unyana ka-Amotse, wathi kuye, Utsho uYehova ukuthi, Yolela; ngokuba ùya kufa wena, akuyi kuphila.

2Wabubhekisa eludongeni ubuso bakhe, wathandaza kuYehova, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Khawukhumbule, ndiyakukhunga, Yehova, okokuba ndihambé phambi kwakho
ngokunyanisa nangentliziyo ephelelisileyo, ndakwenza okulungileyo emehlweni
akho. Wasitsho uHezekiya isililo esikhulu.

4Kwathi, uIsaya engekaphumi kophakathi umzi, lafika ilizwi likaYehova kuye, lisithi,

5Buya uye kuthi kuHezekiya, ingànga yabantu bam, Utsho uYehova, uThixo kaDavide
uyihlo, ukuthi, Ndiwuvile umthandazo wakho, ndizibonile iinyembezi zakho;
uyabona, ndiya kukuphilisa; ngomhla wesithathu uya kunyuka uye endlwini
kaYehova;

6ndongèze kwimihla yakho ishumi elinesihlanu leminyaka; ndikuhlàngule wena nalo
mzi esandleni sokumkani waseAsiriya, ndiwukhusele lo mzi ngenxa yam, nangenxa
kaDavide umkhonzi wam.

7Wathi uIsaya, Thabathani isicumba samakhiwane; basithabatha ke, babeka
ethumbeni, waphila.

8Wathi uHezekiya kuIsaya, Uyintoni na umqondiso wokuba uYehova uya
kundiphilisa, ndinyuke ndiye endlwini kaYehova ngomhla wesithathu?

9Wathi uIsaya, Nangu ke umqondiso kuwe, uphuma kuYehova, wokuba úya kulenza
uYehova ilizwi alithethileyo: Isithunzi síhambe na izinyuko ezilishumi, síbuye na
izinyuko ezilishumi?

10Wathi uHezekiya, Kulula kwisithunzi ukoluka izinyuko ezilishumi; hayi, isithunzi
masibuye umva izinyuko ezilishumi.

11UIsaya umprofeti wamnqula uYehova, wasibuyisa umva isithunzi izinyuko
zalishumi, esasihle zona esinyukweni sika-Ahazi.

Abathunywa abavela eBhabheli

12Ngelo xesha uBherodaki-bhaladan unyana kaBhaladan, ukumkani waseBhabheli,
wathumela incwadi nomnikelo kuHezekiya; ngokuba ubevile ukuba uHezekiya
ubesifa.

13Wabeva uHezekiya, wababonisa yonke indlu yakhe yengqwebo: isilivere, negolide,
nobulawu, neoli entle, nendlu yonke yeentonga zakhe, nento yonke eyayikho
ebuncwaneni bakhe. Akwabakho nto endlwini yakhe, nasekulawuleni kwakhe konke,
angababonisanga yona uHezekiya.

14Waya uIsaya umprofeti kukumkani uHezekiya, wathi kuye, Atheni na la madoda?
Abevela ngaphi na ukuza kuwe? Wathi uHezekiya, Abevela ezweni elikude eBhabheli.

15Wathi, Aboné ntoni na endlwini yakho? Wathi uHezekiya, Abone into yonke
esendlwini yam; akubangakho nto ndingababonisanga yona ebuncwaneni bam.

16Wathi uIsaya kuHezekiya, Líve ilizwi likaYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Uyabona, kuza imihla eya kuthi yonke into esendlwini yakho, nento abayiqwebáyo
ooyihlo kwada kwayile mini, ithwalèlwe eBhabheli, kungasali nto, utsho uYehova;

18bathabàthe nakoonyana bakho abaya kuphuma kuwe, oya kubazala, babe
ngababusi ebhotweni lokumkani waseBhabheli.

19Wathi uHezekiya kuIsaya, Lilungile ilizwi likaYehova olithethileyo. Wathi, Akunjalo
na ukuba kuya kubakho ukuxola nokunyanisa ngeyam imihla?

20Ezinye izinto zikaHezekiya, nobugorha bakhe bonke, nokwenza kwakhe ichibi
nomjelo, nokuwangenisa kwakhe amanzi kuwo umzi, azibhalwanga na encwadini
yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

21Walala uHezekiya kooyise; uManase, unyana wakhe, waba ngukumkani
esikhundleni sakhe.

OoKumkani II 21

UManase ukumkani wamaYuda

1UManase ubeminyaka ilishumi elinamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe;
waba neminyaka emashumi mahlanu anamihlanu engukumkani eYerusalem; igama
lonina belinguHefetsibha.

2Wenza okubi emehlweni kaYehova, ngokwamasikizi eentlanga, awazigqogqayo
uYehova phambi koonyana bakaSirayeli.

3Wabuya wazakha izigànga, awayezidilizile uHezekiya uyise, wammisela uBhahali
izibingelelo, wenza ooAshera, njengoko wenzayo uAhabhi ukumkani wakwaSirayeli,
waqubuda kumkhosi wonke wezulu, wawukhonza.

4Wákha izibingelelo endlwini kaYehova, leyo wathi uYehova ngayo, Ndiya kulibeka
eYerusalem igama lam.

5Wawakhela izibingelelo wonke umkhosi wezulu ezintendelezweni zombini zendlu
kaYehova.

6Wamcandisa unyana wakhe emlilweni, waba litola, wahlaba izihlabo, wamisa
abaneshologu noosiyazi, waphikela ukwenza okubi emehlweni kaYehova, ukuba
amqumbise.

7Wawumisa umfanekiso oqingqiweyo ka-Ashera abewenzile, endlwini leyo wayethe
ngayo uYehova kuDavide nakuSolomon unyana wakhe, Kuyo le ndlu naseYerusalem,
endiyinyulileyo ezizweni zonke zakwaSirayeli, ndiya kulibeka khona igama lam
ngonaphakadde;

8ndingaphindi ndilushukumise unyawo lwamaSirayeli emhlabeni endawunika ooyise;
kodwa makabe aya kugcina ukwenza njengako konke endiwawisele umthetho ngako,
nanjengokomyalelo wonke awawawiselayo umkhonzi wam uMoses.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Akaphulaphula ke; wawalukuhla uManase, ukuba enze okubi, ngaphezu kweentlanga awazitshabalalisayo uYehova phambi koonyana bakaSirayeli.

10Wathetha uYehova ngabakhonzi bakhe abaprofeti, esithi,

11Ngenxa enokuba uManase, ukumkani wakwaYuda, ewenzile loo masikizi, wenza okubi okungaphezulu kwako konke awakwenzayo ama-Amori, abengaphambi kwakhe, wawonisa namaYuda ngezigodo zakhe ezizizithixo:

12ngako oko utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabona, ndiyizisela iYerusalem neYuda ububi, eziya kuthi nzwi iindlebe zombini zabo bonke ababuvayo.

13Ndololula phezu kweYerusalem ulutya lokulinganisa lwakwaSamari, nelothe yokulinganisa yendlu ka-Ahabhi, ndiyisule iYerusalem njengosula isitya, asisule, asisibeke.

14Ndowalahla amasalela elifa lam, ndibanikele esandleni seentshaba zabo, ukuba baphangwe bathinjwe zizo zonke iintshaba zabo;

15ngenxa enokuba benzé okubi emehlweni am, bandiqumbisa, kususela kwimini abaphuma ngayo ooyise eYiputa unanamhla.

16Kananjalo igazi elimsulwa úliphalaze lalininzi kunene uManase, yada yazala iYerusalem, kwathabathela kwelinye icala kwesa kwelinye; sisodwa sona isono sakhe awawonisayo ngaso amaYuda, ngokwenza okubi emehlweni kaYehova.

17Ezinye izinto zikaManase, nako konke awakwenzayo, nesono sakhe awonayo ngazo, asibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

18Walala uManase kooyise, wangcwatyelwa emyezweni wendlu yakhe, emyezweni kaUza. UAmon unyana wakhe waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

UAmon ukumkani

19UAmon ubeminyaka imashumi mabini anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emibini engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguMeshulemete, intombi kaHarutse waseYotebha.

20Wenza okubi emehlweni kaYehova, njengoko wenza ngako uManase uyise.

21Wahamba ngendlela yonke awahamba ngayo uyise; wazikhonza izigodo ezizizithixo awazikhonzayo uyise, waqubuda kuzo.

22Wamshiya uYehova, uThixo wooyise, akahamba ngendlela keYehova.

23Bamceba abakhonzi baka-Amon, bambulala ukumkani lowo endlwini yakhe.

24Abantu belizwe elo bababulala bonke abo babecebe ukumkani uAmon. Bathi abantu belizwe elo bamenza ukumkani uYosiya, unyana wakhe, esikhundleni sakhe.

25Ezinye izinto zika-Amon awazenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

© 1975 Bible Society of South Africa.

[26]Wangcwatyelwa engcwabeni lakhe, emyezweni kaUza. UYosiya, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

OoKumkani II 22

UYosiya ukumkani

[1]UYosiya ubeminyaka isibhozo ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mathathu anamnye engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguYedida, intombi ka-Adaya waseBhotsekati.

[2]Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, wahamba ngendlela yonke kaDavide uyise; akatyekela ngasekunene nangasekhohlo.

[3]Kwathi ngomnyaka weshumi elinesibhozo wokumkani uYosiya, ukumkani wathuma uShafan, unyana ka-Atsaliya, unyana kaMeshulam, umbhali, endlwini kaYehova, esithi,

[4]Nyuka uye kuHilekiya umbingeleli omkhulu, ayilungise imali ezisiweyo endlwini kaYehova, abayihlanganisileyo abagcini-mnyango ebantwini.

[5]Mabayinikele esandleni sabenzi bomsebenzi, abayikhangelayo indlu kaYehova, bayinikele kubenzi bomsebenzi osendlwini kaYehova, zitywinwe iintanda zendlu;

[6]bayinikele kwiingcibi zemithi, nakubakhi, nakwabakha ngamatye; kuthengwe imithi namatye axholiweyo, kuhlaziywe indlu.

[7]Kodwa bekungabalelwana nabo ngemali ebinikelwe esandleni sabo; ngokuba basebenza benyanisekile.

Ukufunyanwa kwencwadi yomyalelo

[8]Wathi uHilekiya, umbingeleli omkhulu, kuShafan umbhali, Incwadi yomyalelo ndiyifumene endlwini kaYehova. UHilekiya wamnika uShafan incwadi leyo, wayilesa.

[9]Weza ke uShafan umbhali kukumkani, wambuyisela ilizwi ukumkani, wathi, Bayikhuphéle abakhonzi bakho imali eyafumanekayo endlwini, bayinikela esandleni sabenzi bomsebenzi abayikhangelayo indlu kaYehova.

[10]Waxela ke uShefan umbhali kukumkani, esithi, UHilekiya umbingeleli undinike incwadi. Wayilesa uShafan phambi kokumkani.

[11]Kwathi, akuweva ukumkani amazwi encwadi yomyalelo, wasuka wazikrazula iingubo zakhe.

[12]Ukumkani wabawisela umthetho ooHilekiya umbingeleli, noAhikam unyana kaShafan, noAkebhore unyana kaMikaya, noShafan umbhali, noAsaya umkhonzi wokumkani, esithi,

[13]Yiyani nibuzise kuYehova ngenxa yam, nangenxa yabantu, nangenxa yamaYuda onke, malunga namazwi ale ncwadi ifunyenweyo; ngokuba bukhulu ubushushu

© 1975 Bible Society of South Africa.

bukaYehova esibaselwe bona, ngenxa enokuba oobawo bengawaphulaphulanga amazwi ale ncwadi, ukuba benze njengako konke kubhaliweyo kuyo ngathi.

14Waya ke uHilekiya umbingeleli, noAhikam, noAkebhore, noShafan, noAsaya, kuHulda umprofetikazi, umkaShalum unyana kaTikva, unyana kaHar-hase, umgcini-ngubo (waye yena ehleli eYerusalem kwesesibini isahlulo sayo), bathetha naye.

15Wathi kubo, Utsho uYehova uThixo wakwaSirayeli, ukuthi, Nothi kuloo ndoda inithumileyo kum,

16Utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndiyizisela ububi le ndawo nabemi bayo, onke amazwi encwadi ayilesileyo ukumkani wakwaYuda.

17Ngethuba lokuba bendishiyile mna, baqhumisela thixweni bambi, ukuba bandiqumbise ngomsebenzi wonke wezandla zabo, yothi le ndawo ibaselwe ubushushu bam, bungàcinywa.

18Ke kukumkani wakwaYuda onithume ukubuzisa kuYehova, notsho kuye ukuthi, Utsho uYehova, uThixo wakwaSirayeli, ukuthi:

19Okwala mazwi uwavileyo, ngokokuba ibithambile intliziyo yakho, wazithoba phambi koYehova, ekukuveni kwakho endikuthethileyo ngale ndawo, nangabemi bayo, ukuba beya kuba ziimpanza nesiqalekiso, wazikrazula iingubo zakho, walila phambi kwam, nam ndikuvile; utsho uYehova.

20Ngako oko, uyabona, ndiya kukuhlanganisela kooyihlo, uhlanganiselwe engcwabeni lakho unoxolo, angabuboni amehlo akho bonke ububi endibuzisela le ndawo. Bambuyisela ke ilizwi ukumkani.

OoKumkani II 23

Uhlaziyo lukaYosiya

1Wathumela ukumkani; ahlanganiselana kuye onke amadoda amakhulu akwaYuda neYerusalem.

2Wenyuka ukumkani waya endlwini kaYehova, namadoda onke akwaYuda, nabemi bonke baseYerusalem kunye naye, nababingeleli, nabaprofeti, nabantu bonke, kwathabathela komncinane kwesa komkhulu. Wawalesa ezindlebeni zabo onke amazwi encwadi yomnqophiso eyafunyanwa endlwini kaYehova.

3Wema ukumkani phezu kwendawo ephakamileyo, wenza umnqophiso phambi koYehova, wokulandela uYehova, nokugcina imithetho yakhe, nezingqino zakhe, nemimiselo yakhe, ngentliziyo yonke, nangomphefumlo wonke, nokuwamisa onke amazwi alo mnqophiso abhaliweyo kule ncwadi; bema ke bonke abantu emnqophisweni lowo.

4Ukumkani wamwisela umthetho uHilekiya, umbingeleli omkhulu, nababingeleli bolwesibini udidi, nabagcinimnyango, wokuba bazikhuphe ebhotweni likaYehova

© 1975 Bible Society of South Africa.

zonke iimpahla ezaye zenzelwe uBhahali, noAshera, nomkhosi wonke wezulu. Wazitshisela ngaphandle kweYerusalem emaphandleni aseKidron, uthuthu lwazo walúsa eBheteli.

5Wabaphelisa ababingeleli abangengabo, ababethe ookumkani bakwaYuda babamisela ukuqhumisela ezigangeni, emizini yakwaYuda, nangeenxa zonke eYerusalem; nabaqhumisela kuBhahali, nakwilanga, nakwinyanga, nakwiinkwenkwezi, nakumkhosi wonke wezulu.

6Wamkhupha uAshera endlwini kaYehova, wamsa ngaphandle kweYerusalem, emlanjaneni oyiKidron, wamtshisela emlanjaneni oyiKidron; bamcola waluthuli; waluphosa uthuli lwakhe phezu kwamangcwaba oonyana babantu.

7Wazidiliza izindlu zamang'awu ezibe zisendlwini kaYehova, apho amankazana abemlukela khona uAshera iintente.

8Wabathabatha bonke ababingeleli emizini yakwaYuda, wazenza inqambi izigánga, apho babeqhumisela khona ababingeleli, ethabathela eGebha ase eBher-shebha, wazidiliza izigánga zamasango, ezisekungeneni kwesango likaYoshuwa, umphathi womzi, nezisekhohlo komntu ongena esangweni lomzi.

9Kodwa ke ababingeleli abo bezigánga abenyukanga beze esibingelelweni sikaYehova eYerusalem; banela ukudla izonka ezingenagwele phakathi kwabazalwana babo.

10Wayenza inqambi iTofete, esemfuleni wakwaBhen-hinom, ukuze kungabikho mntu umcandisa emlilweni kuMoleki unyana wakhe, nokuba yintombi yakhe.

11Wawasusa amahashe abemiselwe ilanga ngookumkani bakwaYuda, ekungeneni endlwini kaYehova, ngasegumbini likaNetan-meleki umbusi, elibe lingaphandle; wazitshisa neenqwelo zelanga ngomlilo.

12Nezibingelelo ezibe ziphezu kophahla lwegumbi eliphezulu lika-Ahazi, abazenzáyo ookumkani bakwaYuda, nezibingelelo awazenzayo uManase ezintendelezweni zombini zendlu kaYehova, wazidiliza ukumkani, wazikhanda kwakhona, waluphosa emlanjeni oyiKidron uthuli lwazo.

13Nezigánga eziphambi kweYerusalem, ezibe zisekunene kwentaba yolonakaliso, awayethe uSolomon ukumkani wakwaSirayeli wazakhela uAshtoreti, into enezothe yamaTsidon, noKemoshe, into enezothe yamaMowabhi, noMilikom, isikizi loonyana baka-Amon, wazenza inqambi ukumkani.

14Waziqhekeza nezimiso zamatye, wabagawula ooAshera, wazizalisa iindawo zazo ngamathambo abantu.

15Kananjalo isibingelelo esibe siseBheteli, isigánga awasenzayo uYarobheham, unyana kaNebhati, owawonisayo amaSirayeli, eso sibingelelo neso sigánga wasidiliza; wasitshisa isigánga, wasicola saluthuli; wamtshisa uAshera.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Wabheka uYosiya, wawabona amangcwaba abekhona entabeni, wathumela, wawathabatha amathambo emangcwabeni lawo, wawatshisela phezu kwesibingelelo, wasenza inqambi ngokwelizwi likaYehova, awalimemezayo umfo wakwaThixo, owawamemezayo la mazwi.

17Wathi, Lelani na elaa litye lithe nkqampu ndilibonayo? Athi kuye amadoda aloo mzi, Lingcwaba lomfo wakwaThixo, owavela kwaYuda, wamemeza ezi zinto ùzenzileyo kwisibingelelo saseBheteli.

18Wathi, Myekeni; makangashukunyiswa mntu amathambo akhe. Bawasindisa ke amathambo akhe, namathambo omprofeti owavela kwaSamari.

19Kananjalo zonke izindlu zezigánga, ezibe zisemizini yakwaSamari, abazenzáyo ookumkani bamaSirayeli ukuba bamqumbise uYehova, wazisusa uYosiya; wenza kuzo ngokwezenzo zonke awazenzayo eBheteli.

20Wababingelela bonke ababingeleli bezigánga ababekhona, phezu kwezibingelelo; watshisa amathambo abantu phezu kwazo. Wabuya ke weza eYerusalem.

21Ukumkani wabawisela umthetho abantu bonke, wathi, Yenzani ipasika kuYehova, uThixo wenu, ngoko kubhaliweyo encwadini yalo mnqophiso.

22Ngokuba bekungazanga kwenziwe pasika ngokwale pasika, kususela kwimihla yabagwebi ababelawula amaSirayeli, nangemihla yonke yookumkani bakwaSirayeli, nookumkani bakwaYuda.

23Kwaba ngomnyaka weshumi elinesibhozo wokumkani uYosiya, ukwenziwa kwale pasika kuYehova eYerusalem.

24Kananjalo ke abaneshologu, noosiyazi, nemilonde-khaya, nezigodo ezizizithixo, neento zonke ezinezothe, ezibe zibonwa ezweni lakwaYuda naseYerusalem, wazitshayela uYosiya, ukuze amise amazwi omyalelo abhaliweyo encwadini abeyifumene uHilekiya umbingeleli endlwini kaYehova.

25Ngaphambi kwakhe akubangakho kumkani unjengaye, ubuyeleyo kuYehova ngentliziyo yakhe yonke, nangomphefumlo wakhe wonke, nangamandla akhe onke, ngokomyalelo wonke kaMoses; nangasemva kwakhe akuvelanga unjengaye.

26Akabuyanga noko uYehova ekuvutheni komsindo wakhe omkhulu, umsindo wakhe owavutha kumaYuda, ngenxa yokuqumbisa konke abequmbise ngako uManase.

27Wathi uYehova, Ndiya kuwasusa namaYuda ebusweni bam, njengokuba ndawasusayo amaSirayeli, ndiwulahle lo mzi ndawunyulayo, iYerusalem le, nendlu le ndàthi, Liya kuba kuyo igama lam.

28Ezinye izinto zikaYosiya, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

Ukufa kukaYosiya eMegido

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Ngemihla yakhe wenyuka uFaroneko, ukumkani waseYiputa, waya kulwa nokumkani waseAsiriya, emlanjeni ongumEfrati. Wahamba ukumkani uYosiya, waya kumhlangabeza; wambulala eMegido, akumbona.

30Bamthwala ngenqwelo abakhonzi bakhe, efele eMegido, bamsa eYerusalem, bamngcwabela engcwabeni lakhe. Abantu belizwe bathabatha uYehowahazi unyana kaYosiya, bamthambisa, bamenza ukumkani esikhundleni sikayise.

AmaYiputa ongamela amaYuda

31UYehowahazi ubeminyaka imashumi mabini anamithathu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; zaba ntathu iinyanga engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguHamutali, intombi kaYeremiya waseLibhena.

32Wenza okubi emehlweni kaYehova, njengako konke abakwenzayo ooyise.

33UFaro-neko wamkhonkxa eRibhela, ezweni laseHamati, ukuze angabi ngukumkani eYerusalem. Ilizwe walihlahlisa ikhulu leetalente zesilivere, netalente yegolide.

34UFaro-neko wamenza ukumkani uEliyakim, unyana kaYosiya, esikhundleni sikaYosiya uyise, waliguqula igama lakhe languYehoyakim. Ke wamthabatha uYehowahazi, weza naye eYiputa; wafela khona.

35UYehoyakim wayinika uFaro isilivere leyo negolide leyo; kodwa ke walihlahlisa ilizwe ukuba anike imali ngokomlomo kaFaro, elowo ngokuhlahliswa kwakhe. Wabaqhuba abantu belizwe, ukuba bayirhole isilivere negolide, ukuba ayinike uFaro-neko.

36UYehoyakim ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi linamnye engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguZebhuda, intombi kaPedaya waseRuma.

37Wenza okubi emehlweni kaYehova, njengako konke abakwenzayo ooyise.

OoKumkani II 24

UNebhukadenetsare ukumkani weBhabheli uthimba ukumkani uYehoyakim nezikhulu zakhe

1Ngemihla yakhe kwenyuka uNebhukadenetsare, ukumkani weBhabheli. UYehoyakim waba ngumkhonzi kuye iminyaka emithathu, wabuya wagwilika kuye.

2UYehova wamthumela izimpi zamaKaledi, nezimpi zama-Aram, nezimpi zakwaMowabhi, nezimpi zoonyana baka-Amon, wazithumela elakwaYuda, ukuba zilitshabalalise ngokwelizwi likaYehova, awalithethayo ngabakhonzi bakhe abaprofeti.

3Kwaye kungomlomo kaYehova wodwa ukwenzeka kwale nto kumaYuda, ukuba awasuse ebusweni bakhe ngenxa yezono zikaManase, njengako konke awakwenzayo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

4nangenxa yegazi elingenatyala awaliphalazayo; wayizalisa iYerusalem ngegazi elingenatyala; akavumanga uYehova ukuxolela.

5Ezinye izinto zikaYehoyakim, nako konke awakwenzayo, azibhalwanga na encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bakwaYuda?

6Walala uYehoyakim kooyise; uYehoyakin, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

7Akabanga saphinda ukumkani waseYiputa aphume ezweni lakhe; ngokuba ukumkani waseBhabheli wayezithimbile zonke izinto ezizezokumkani waseYiputa, eqalele emlanjeni waseYiputa, wada wesa emlanjeni ongumEfrati.

8UYehoyakin ubeminyaka ilishumi elinesibhozo ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; zantathu iinyanga engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguNehushta, intombi kaElinatan waseYerusalem.

9Wenza okubi emehlweni kaYehova, njegako konke awakwenzayo uyise.

10Ngelo xesha benyuka abakhonzi bakaNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli, beza eYerusalem; wangqingwa umzi lowo.

11Wawufikela uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, bewungqingile abakhonzi bakhe.

12Waphuma uYehoyakin, ukumkani wakwaYuda, waya kukumkani waseBhabheli, yena nonina, nabakhonzi bakhe, nabathetheli bakhe, nababusi bakhe; ukumkani waseBhabheli wamthabatha ke ngomnyaka wesibhozo wobukumkani bakhe.

13Warhola khona bonke ubuncwane bendlu kaYehova, nobuncwane bendlu yokumkani; wazinqunqa zonke iimpahla zegolide, awazenzayo uSolomon ukumkani wakwaSirayeli etempileni kaYehova, njengoko wakuthethayo uYehova.

14Wayifudusa yonke iYerusalem, nabathetheli bonke, namagorha onke anobukroti, ishumi lamawaka abathinjwa, zonke iingcibi nabakhandi; akwasala mntu, yaba ngamahlwempu elizwe odwa asalayo.

15Wamfudusa uYehoyakin, wamsa eBhabheli, nonina wokumkani, nabafazi bokumkani, nababusi bakhe, neenjengele zelizwe; wabafudusa eYerusalem abathinjwa abo, wabása eBhabheli;

16namadoda onke anobukroti angamawaka asixhenxe, neengcibi nabakhandi abaliwaka, onke amagorha anokulwa; abo ukumkani waseBhabheli wabása bengabathinjwa eBhabheli.

17Ukumkani waseBhabheli wamenza uMataniya, uyisekazi kaYehoyakin, ukumkani esikhundleni sakhe; waliguqula igama lakhe languZedekiya.

UZedekiya unyulwa abe ngukumkani

© 1975 Bible Society of South Africa.

18UZedekiya ubeminyaka imashumi mabini anamnye ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguHamutali, intombi kaYeremiya waseLibhena.

19Wenza okubi emehlweni kaYehova, njengako konke awakwenzayo uYehoyakim.

20Ngokuba ngenxa yomsindo kaYehova kwenzeka oko eYerusalem nakwaYuda, wada wabalahla ebusweni bakhe. UZedekiya wamana egwilika kukumkani waseBhabheli.

OoKumkani II 25

Ukungqingwa nokutshatyalaliswa kweYerusalem

1Kwathi ngomnyaka wesithoba wobukumkani bakhe, ngenyanga yeshumi, ngosuku lweshumi enyangeni leyo, wayifikela iYerusalem uNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli; yena nempi yakhe yonke wayirhawula; wákha iinqaba zokubonisela ngeenxa zonke.

2Wangqingwa ke umzi, kwada kwangumnyaka weshumi elinamnye wokumkani uZedekiya.

3Ngosuku lwesithoba lwenyanga yesiné yaqina indlala phakathi komzi; ababa nasonka abantu belizwe.

4Wagqojozwa umzi, asaba onke amadoda okulwa ngobusuku, ngendlela yesango eliphakathi kweendonga zombini, elisemyezweni wokumkani (aye amaKaledi ewujikelezile umzi); wahamba ukumkani ngendlela yaseArabha.

5Impi yamaKaledi yamsukela ukumkani, yamfikela ezinkqantosini zaseYeriko, yamphalala, yemka kuye yonke impi yakhe.

6Ambamba ukumkani, anyuka naye, amsa kukumkani waseBhabheli eRibhela; lathethwa apho ityala lakhe.

7Abasíka oonyana bakaZedekiya ekhangele; amtyhaphaza amehlo uZedekiya, amkhonkxa ngamakhamandela obhedu, amsa eBhabheli.

8Ngenyanga yesihlanu, ngosuku lwesixhenxe enyangeni leyo (loo mnyaka ke ngoweshumi elinesithoba engukumkani uNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli), kwafika uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki babantu, umkhonzi wokumkani waseBhabheli, eYerusalem.

9Wayitshisa indlu kaYehova, nendlu yokumkani, nezindlu zonke zaseYerusalem; izindlu zonke ezinkulu wazitshisa ngomlilo.

10Iindonga zaseYerusalem yazidiliza ngeenxa zonke impi leyo yamaKaledi, ebinomthetheli wabasiki babantu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Amasalela abantu ababesele phakathi komzi, namaphamba awayephambele kukumkani waseBhabheli, namasalela engxokolo, wawafudusa uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki babantu.

12Ke umphathi wabasiki babantu wawasalisa amahlwempu elizwe, ukuze abe ngabasebenzi bezidiliya nabalimi.

13Iintsika zobhedu ezibe zisendlwini kaYehova, neenqwelwana, nolwandle lobhedu obe lusendlwini kaYehova, ezo zinto aziqhekeza amaKaledi, aluthwalela eBhabheli ubhedu lwazo.

14Athabatha neembiza, nemihlakulwana, nezitshetshe, neenkamba, neempahla zonke zobhedu ebe kulungiselelwa ngazo.

15Umphathi wabasiki babantu wathabatha nezitya, izitya zokutshiza, igolide kwezegolide, isilivere kwezesilivere;

16neentsika zombini, ulwandle olunye, neenqwelwana, awazenzela indlu kaYehova uSolomon; alwaba nakulinganiswa ubhedu lwezo mpahla zonke.

17Ukuphakama kwenye intsika bekuziikubhite ezilishumi elinesibhozo, ingqukuva yayo iyeyobhedu; ukuphakama kwengqukuva bekuziikubhite ezintathu; umnatha neerharnate ezibe zisengqukuveni ngeenxa zonke, yonke loo nto yabe ilubhedu; intsika yesibini yabe ikwanjalo, kunye nomnatha wayo.

18Umphathi wabasiki babantu wamthabatha uSeraya, umbingeleli oyintloko, noZefaniya, umbingeleli wolwesibini udidi, nabagcini-mnyango bobathathu.

19Kuwo umzi wathabatha umbusi wamnye, awayengumphathi wamadoda okulwa; namadoda amahlanu kwabehlala nokumkani, awafunyanwayo phakathi komzi; nombhali womthetheli womkhosi, obesakuhlanganisa abantu belizwe; namadoda amashumi mathandathu kubantu belizwe, awafunyanwayo phakathi komzi.

20Wabathabatha abo uNebhuzaradan, umphathi wabasiki babantu, wabása kukumkani waseBhabheli eRibhela.

21Wabaxabela ukumkani waseBhabheli, wababulalela eRibhela ezweni laseHamati. Afuduswa ke amaYuda emhlabeni wawo.

22Ke abantu abasaláyo ezweni lakwaYuda, awabasalisayo uNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli, wabamisela umphathi onguGedaliya, unyana ka-Ahikam, unyana kaShafan.

23Bakùva ke bonke abathetheli bemikhosi, bona namadoda abo, akuba ukumkani waseBhabheli umenze umphathi uGedaliya, beza kuGedaliya lowo eMizpa; bengoolshmayeli unyana kaNetaniya, noYohanan unyana kaKareha, noSeraya, unyana kaTanumete waseNetofa, noYahazaniya unyana kaMahakati, bona namadoda abo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Wabafungela bona namadoda abo uGedaliya, wathi kubo, Musani ukuboyika abakhonzi bamaKaledi; hlalani kweli lizwe, nikhonze ukumkani waseBhabheli, konilungela.

25Ke kaloku kwathi ngenyanga yesixhenxe, kweza uIshmayeli unyana kaNetaniya, unyana kaElishama, wasembewini yookumkani, enamadoda alishumi, bamxabela uGedaliya, wafa, namaYuda namaKaledi abenaye eMizpa.

26Besuka ke bonke abantu, bethabathela komncinane bezisa komkhulu, nabathetheli bemikhosi, baya eYiputa; ngokuba babewoyika amaKaledi.

27Kwathi ngomnyaka wamashumi omathathu anesixhenxe wokufuduswa kukaYehoyakin, ukumkani wakwaYuda, ngenyanga yeshumi elinesibini, ngosuku lwamashumi omabini anesixhenxe enyangeni leyo: uEvili-merodaki, ukumkani waseBhabheli, ngomnyaka wokwenziwa kwakhe ukumkani, wayiphakamisa intloko kaYehoyakin, ukumkani wakwaYuda, wamkhupha entolongweni.

28Wathetha naye kakuhle, wayimisa itrone yakhe, yangaphezu kwetrone yookumkani ababenaye eBhabheli.

29Zakhululwa iingubo zakhe zasentolongweni, wamana ukudla isonka phambi kwakhe yonke imihla yokuphila kwakhe.

30Wawunikwa umxhesho wakhe, umxhesho wamaxesha onke, uvela kukumkani: into yemini ngangemini yayo, yonke imihla yokuphila kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IziKronike I

IziKronike I 1

Imilibo yezizalwana

1UAdam, uSete, uEnoshe,

2uKenan, uMahalaleli, uYerede,

3uEnoki, uMetusela, uLameki,

4uNowa, uShem, uHam, uYafete.

5Oonyana bakaYafete nguGomere, noMagogi, noMadayi, noYavan, noTubhali, noMesheki, noTirasi.

6Oonyana bakaGomere nguAshekenazi, noDifati, noTogarma.

7Oonyana bakaYavan nguElisha noTarshishe, ngamaKiti, namaDodan.

8Oonyana bakaHam nguKushi, noMitserayim, noPuti, noKanan.

9Oonyana bakaKushi nguSebha, noHavila, noSabheta, noRama, noSabheteka. Oonyana bakaRama nguShebha noDedan.

10UKushi wazala uNimrodi, yena waqala waba ligorha emhlabeni.

11UMitserayim wazala amaLudi, nama-Anam, namaLehabhi, namaNafetuyi,

12namaPatrusi, namaKaseluyi, apho kwaphuma khona amaFilisti, namaKafetori.

13UKanan wazala uTsidon owamazibulo kuye, noHeti,

14namaYebhusi, nama-Amori, namaGirgashi,

15namaHivi, nama-Areki, namaSini,

16nama-Arvadi, namaTsemari, nama-Hamati.

17Oonyana bakaShem nguElan, noAsuri, noArpakishadi, noLudi, noAram, noUtse, noHuli, noGetere, noMesheki.

18UArpakishadi wazala uShela; uShela wazala uEbhere.

19UEbhere wazalelwa oonyana ababini, igama lomnye nguPelege, ngokuba ngemihla yakhe bahlukahluka abemi bomhlaba; igama lomninawa wakhe belinguYoketan.

20UYoketan wazala uAlemodadi, noShelefe, noHatsaremavete, noYera,

21noHadoram, noUzali, noDikela,

22noEbhali, noAbhimayeli, noShebha,

23no-Ofire, noHavila, noYobhabhi. Bonke abo ngoonyana bakaYoketan.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

24UShem, uArpakishadi, uShela,

25uEbhere, uPelege, uRehu,

26uSerugi, uNahore, uTera,

27uAbram (nguAbraham ke lowo).

28Oonyana baka-Abraham nguIsake noIshmayeli.

29Zizo ezi iinzala zabo: owamazibulo kuIshmayeli nguNebhayoti, noKedare, noAdebhele, noMibhesam,

30uMishama, noDuma, uMasa, uHadade,

31noTema, uYeture, uNafishi, noKedema. Ngabo abo oonyana bakaIshmayeli.

32Oonyana bakaKetura, ishweshwe lika-Abraham: wazala uZimran, noYokeshan, noMedan, noMidiyan, noIshbhaki, noShuwa. Oonyana bakaYokeshan nguShebha noDedan.

33Oonyana bakaMidiyan nguEfa, noEfere, noEnoki, noAbhida, noElidaha. Bonke abo ngoonyana bakaKetura.

34UAbraham wazala uIsake. Oonyana bakaIsake nguEsawu noSirayeli.

35Oonyana bakaEsawu nguElifazi, noRehuweli, noYehushe, noYalam, noKora.

36Oonyana bakaElifazi nguTeman, no-Omare, noTsefi, noGatam, noKenazi, noTimna, noAmaleki.

37-38Oonyana bakaRehuweli ngooNahati, noZera, noShama, noMiza. Oonyana bakaSehira nguLotan, noShobhali, noTsibheyon, noAna, noDishon, noEtsere, noDishan.

39Oonyana bakaLotan ngamaHori, noHonam; udade boLotan nguTimna.

40Oonyana bakaShobhali nguAleyan, noManahati, noEbhali, noShefi, no-Onam. Oonyana bakaTsibheyon nguAya noAna.

41Oonyana baka-Ana nguDishon. Oonyana bakaDishon nguHamran, noEshbhan noItran noKeran.

42Oonyana bakaEtsere nguBhilehan noZavan noYakan. Oonyana bakaDishan ngu-Utse noAran.

43Ngabo aba ookumkani ababelawula ezweni lakwaEdom, kungekabikho kumkani ubelawula oonyana bakaSirayeli; nguBhela unyana kaBhehore; igama lomzi wakhe liyiDinabha.

44Wafa uBhela; uYobhabhi unyana kaZera, waseBhotsera, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

45Wafa uYobhabhi; uHusham, wasezweni lamaTeman, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

46Wafa uHusham; uHadadi unyana kaBhedadi, owaxabela amaMidiyan emhlabeni wakwaMowabhi, waba ngukumkani esikhundleni sakhe; igama lomzi wakhe beliyiAviti.

47Wafa uHadadi; uSamla waseMasereka waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

48Wafa uSamla; uSawule, waseRehobhoti yoMlambo, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

49Wafa uSawule; uBhahali-hanan, unyana ka-Akebhore, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

50Wafa uBhahali-hanan; uHadadi waba ngukumkani esikhundleni sakhe; igama lomzi wakhe beliyiPahi; igama lomkakhe belinguMehetabheli, intombi kaMatrede, intombi kaMezahabhi.

51Wafa uHadadi. Izikhulu zakwaEdom zezi: isikhulu esinguTimna, isikhulu esinguAliya, isikhulu esinguYetete,

52isikhulu esinguAholibhama, isikhulu esinguEla,

53isikhulu esinguPinon, isikhulu esinguKenazi, isikhulu esinguTeman, isikhulu esinguMibhetsare,

54isikhulu esinguMagediyeli, isikhulu esinguIram. Zizo ezo izikhulu zakwaEdom.

IziKronike I 2

Imilibo yezizalwana

1Ngabo aba oonyana bakaSirayeli: nguRubhen, noSimon, noLevi, noYuda,

2noIsakare, noZebhulon, noDan, noYosefu, noBhenjamin, noNafetali, noGadi, noAshere.

3Oonyana bakaYuda nguEre, no-Onan, noShela. Abo bathathu wabazalelwa yintombi kaShuwa, umKananekazi. Ke uEre, amazibulo kaYuda, ebenobubi emehlweni kaYehova; wambulala.

4UTamare, umolokazana wakhe, wamzalela uPeretse noZera. Bebonke oonyana bakaYuda bahlanu.

5Oonyana bakaPeretse nguHetseron, noHamuli.

6Oonyana bakaZera nguZimri, noEtan, noHaman, noKalekole, noDara; bebonke bahlanu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Oonyana bakaKarmi nguAkare, owawahlisela ishwangusha amaSirayeli, wenza ubumenemene entweni esingelwe phantsi.

8Oonyana bakaEtan nguAzariya.

9Oonyana bakaHetseron awabazalelwayo: nguYerameli, noRam, noKelubhayi.

10URam wazala uAminadabhi; uAminadabhi wazala uNashon, inkulu yoonyana bakaYuda.

11UNashon wazala uSalima;

12uSalima wazala uBhohazi; uBhohazi wazala uObhede; uObhede wazala uYese.

13UYese wazala uEliyabhi, amazibulo akhe, noAbhinadabhi owesibini, noShama owesithathu,

14noNataniyeli owesiné, noRadayi owesihlanu,

15no-Otsem owesithandathu, noDavide owesixhenxe.

16Oodade babo baye bengooTseruya noAbhigali. Oonyana bakaTseruya nguAbhishayi, noYowabhi, noAsaheli; bathathu.

17UAbhigali wazala uAmasa; uyise ka-Amasa ebenguYetere, umIshmayeli.

18UKalebhi, unyana kaHetseron, wazala ngoAzubha umkakhe nangoYerihoti. Ngabo aba oonyana bakhe: uYeshere, noShobhabhi, noArdon.

19Wafa uAzubha; uKalebhi wazeka uEfrata; wamzalela uHuri.

20UHuri wazala u-Uri, u-Uri wazala uBhetsaleli.

21Emveni koko wayingena uHetseron intombi kaMakire, uyise kaGiliyadi, wayizeka eminyaka imashumi mathandathu ezelwe; yamzalela uSegubhi.

22USegubhi wazala uYahire; wayenemizi engamashumi amabini anamithathu ezweni laseGiliyadi.

23UGeshuri noAram bathabatha kubo iHavoti-yahire, neKenati, namagxamesi ayo: imizi engamashumi omathandathu. Bonke aba babengoonyana bakaMakire, uyise kaGiliyadi.

24Emva kokufa kukaHetseron kwaKalebhi yakwaEfrata, umkaHetseron, uAbhiya, wamzalela uAsuri, uyise ozala amaTekowa.

25Oonyana bakaYerameli, amazibulo kaHetseron, babengooRam amazibulo akhe, noBhuna, no-Oren, no-Otsem, noAhiya.

26UYerameli ebenomnye umfazi, igama lakhe linguAtara; ubengunina kaOnam.

27Oonyana bakaRam, amazibulo kaYerameli, babenguMahatse, noYamin, noEkere.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Oonyana bakaOnam babenguShamayi, noYada. Oonyana bakaShamayi nguNadabhi, noAbhishure.

29Igama lomka-Abhishure nguAbhihayili;

30wamzalela uAbhan, noMolidi. Oonyana bakaNadabhi nguSelede, noApayim; wafa uSelede engazalanga.

31Oonyana baka-Apayim nguIshi. Oonyana bakaIshi nguSheshan. Oonyana bakaSheshan nguAlayi.

32Oonyana bakaYada, umninawa kaShamayi, nguYetere noYonatan. Wafa uYetere engazalanga.

33Oonyana bakaYonatan nguPelete noZaza. Ngabo abo oonyana bakaYerameli.

34USheshan ebengenanyana; ibiziintombi zodwa. USheshan ebenomkhonzi ongumYiputa; igama lakhe belinguYar-ha.

35USheshan wamnika uYar-ha umkhonzi wakhe intombi yakhe, ukuba ibe ngumfazi; yamzalela uAtayi.

36UAtayi wazala uNatan; uNatan wazala uZabhadi.

37UZabhadi wazala uEfelali; uEfelali wazala uObhede;

38uObhede wazala uYehu; uYehu wazala uAzariya;

39uAzariya wazala uHeletse; uHeletse wazala uElasa;

40uElasa wazala uSisamayi;

41uSisamayi wazala uShalum; uShalum wazala uYekamiya; uYekamiya wazala uElishama.

42Oonyana bakaKalebhi, umkhuluwa kaYerameli, nguMesha amazibulo akhe, obenguyise wabaseZifi, noonyana bakaMaresha, uyise kaHebron.

43Oonyana bakaHebron nguKora, noTapuwa, noRekem, noShema.

44UShema wazala uRaham, uyise kaYorkeham; uRekemwazala uShamayi.

45Unyana kaShamayi nguMahon; uMahon nguyise wabaseBhete-tsure.

46UEfa, ishweshwe likaKalebhi, wazala uHaran, noMotsa, noGazeze; uHaran wazala uGazeze.

47Oonyana bakaYadayi nguRegem, noYotam noGeshan, noPelete, noEfa, noShahafe.

48UMahaka, ishweshwe likaKalebhi, wazala uShebhere, noTir-hana;

49wazala noShahafe, uyise wabaseMademana, noSheva uyise wabaseMakebhena, noyise wabaseGibheha; intombi kaKalebhi ibinguAkesa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

50Ngabo aba oonyana bakaKalebhi: ngoonyana bakaHuri, amazibulo kaEfrata;
uShobhali ozala amaKiriyatiyeharim; uSalima,

51uyise wabaseBhetelehem; uHarefe, uyise wabaseBhete-gadere.

52UShobhali, uyise wabaseKiriyati-yeharim, ebenoonyana: uHarowe,
noHatsihamenukoti.

53Imizalwane yaseKiriyati-yeharim ngamaItri, namaPuti, namaShumati,
namaMisherayi. Baphuma kuyo abaseTsorati, namaEshtawoli.

54Oonyana bakaSalima ngabaseBhetelehem, nabaseNetofa, abaseAteroti yendlu
kaYowabhi, nabaseHazi-hamanati, nabaseTsora.

55Imizalwane yababhali, abemi baseYabhetse, ngabaseTira, ngabaseShemiha,
ngabaseSuka. La ngamaKeni avela kuHamati, uyise wabendlu kaRekabhi.

IziKronike I 3

Imilibo yezizalwana

1Ngabo aba oonyana bakaDavide, awabazalelwayo eHebron: owamazibulo
ibinguAmnon ka-Ahinowam waseYizereli; owesibini nguDaniyeli ka-Abhigali
waseKarmele;

2owesithathu nguAbhisalom unyana kaMahaka, intombi kaTalemayi, ukumkani
waseGeshuri; owesiné nguAdoniya unyana kaHagiti;

3owesihlanu nguShefatiya ngoAbhitali; owesithandathu nguItram ngoEgela umkakhe.

4Abo bathandathu wabazalelwa eHebron; waba ngukumkani khona iminyaka
esixhenxe neenyanga ezintandathu. Waba neminyaka emashumi mathathu
anamithathu engukumkani eYerusalem.

5Ngabo aba awabazalelwayo eYerusalem: nguShimeha, noShobhabhi, noNatan,
noSolomon, bobané, ngoBhateshuwa intombi ka-Amiyeli;

6nguIbhehare, noElishama, noElifelete,

7noNoga, noNefege, noYafiya,

8noElishama, noEliyada, noElifelete; basithoba.

9Bebonke oonyana bakaDavide ngabo abo, bengabalwa oonyana bamashweshwe;
ndodade wabo ibinguTamare.

10Unyana kaSolomon ibinguRehabheham; nguAbhiya unyana wakhe; nguAsa unyana
wakhe; nguYoshafate unyana wakhe;

11nguYoram unyana wakhe; nguAhaziya unyana wakhe; nguYowashe unyana wakhe;

12nguAmatsiya unyana wakhe; nguAzariya unyana wakhe; nguYotam unyana wakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

13nguAhazi unyana wakhe; nguHezekiya unyana wakhe; nguManase unyana wakhe;

14nguAmon unyana wakhe; nguYosiya unyana wakhe.

15Oonyana bakaYosiya nguYohanan, amazibulo akhe, nguYoyakim owesibini, nguZedekiya owesithathu, nguShalum owesiné.

16Oonyana bakaYoyakim nguYekoniya unyana wakhe; nguZedekiya unyana wakhe.

17Oonyana bakaYekoniya nguAsire, nguShelatiyeli unyana wakhe, noMalekiram,

18noPedaya, noShenatsare, noYekamiya, noHoshama, noNedabhiya.

19Oonyana bakaPedaya ngooZerubhabheli noShimehi. Oonyana bakaZerubhabheli ngooMeshulam, noHananiya, benoShelomiti udade wabo;

20noHashubha, no-Oheli, noBherekiya, noHasadiya, noYushabhi-hesede; bahlanu.

21Oonyana bakaHananiya ngooPelatiya noYesaya; oonyana bakaRefaya; oonyana baka-Arnan; oonyana bakaObhadiya; oonyana bakaShekaniya.

22Oonyana bakaShekaniya nguShemaya; oonyana bakaShemaya ngooHatushe, noIgali, noBhariya, noNeyariya, noShafati; bathandathu.

23Oonyana bakaNeyariya ngooEliyohenayi, noHezekiya, noAzerikam; bathuthu.

24Oonyana bakaEliyohenayi ngooHodaya, noEliyashibhi, noPelaya, noAkubhi, noYohanan, noDelaya, noAnani; basixhenxe.

IziKronike I 4

Imilibo yezizalwana

1Oonyana bakaYuda nguPeretse, noHetseron, noKarmi, noHuri, noShobhali.

2URehaya, unyana kaShobhali, wazala uYahati; uYahati wazala uAhumayi noLahadi. Yiyo le imizalwane yabaseTsora.

3Yiyo le eyazala amaEtam: nguYezereli, noIshma, noIdebhashe; igama lodade wabo belinguHatseleleponi;

4noPenuweli ozala amaGedore, noEzere ozala amaHusha. Ngabo abo oonyana bakaHuri, amazibulo kaEfrata, ozala amaBhetelehem.

5UAshuri, ozala amaTekowa, ebenabafazi ababini, uHela noNahara.

6UNahara wamzalela uAhuzam, noHefere, namaTemeni, namaHahashtari. Ngabo abo oonyana bakaNahara.

7Oonyana bakaHela nguTserete, noYetsohare, noEtenan.

8UKotsi wazala uAnubhi, noTsobhebha; nemizalwane ka-Aharele, unyana kaHarum.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ke kaloku uYabhetse ebezukile kunabazalwana bakhe. Unina wamthiya igama lokuba nguYabhetse, esithi, Ndimzele ngokubulaleka.

10UYabhetse wamnqula uThixo wakwaSirayeli, wathi, Ngamana wandisikelela, wawandisa ummandla wam, isandla sakho saba nam, wandithintela ebubini, ukuze ndingabulaleki. UThixo wamenzela loo nto wayicelayo.

11UKelubhi, umkhuluwa kaShuwa, wazala uMehire, onguyise kaEshton.

12UEshton wazala indlu kaRafa, noPaseha, noTehina, ozala umzi kaNahashe. Ngawo lawo amadoda akwaReka.

13Oonyana bakaKenazi: uOteniyeli noSeraya; oonyana bakaOteniyeli nguHatati noMehonotayi.

14UMehonotayi wazala uOfera; uSeraya wazala uYowabhi, ozala ooGeharashim, ngokuba bebeziingcibi.

15Oonyana bakaKalebhi, unyana kaYefune, ngooIru, noEla, noNaham; oonyana bakaEla; nabakaKenazi.

16Oonyana bakaYehaleleli ngooZifi noZifa, ngooTireya noAsareli.

17Oonyana bakaEzera nguYetere, noMerede, noEfere, noYalon. Wazala uMiriyam, noShamayi, noIshbha, ozala amaEshtemowa.

18Umkakhe uYehudiya wazala uYerede, ozala amaGedore; noHebhere, ozala amaSoko; noYekutiyeli, ozala amaZanowa. Ngabo abo oonyana bakaBhitya, intombi kaFaro, awayizekayo uMerede.

19Oonyana bomkakhe uHodiya, udade boNaham: ngozala amaKehila, umGarmi; nozala amaEshtemowa, umMahaka.

20Oonyana bakaShimon ngooAmnon noRina, ngooBhen-hanan noTilon. Oonyana bakaIshi ngooZohete noBhen-zohete.

21Oonyana bakaShela, unyana kaYuda, ngooEre ozala amaLeka, noLada ozala amaMaresha, nemizalwane yendlu yabasebenza ilinen ecikizekileyo, yendlu ka-Ashbheya;

22noYokim, namadoda aseKozebha, noYowashe, noSarafe (aba bazizikhulu kwaMowabhi), noYashubhilehem. Ke ezo zinto zezakudala.

23Ngabo abo ababumbi nabemi baseNetayim neGedera; bahlala khona nokumkani emsebenzini wakhe.

24Oonyana bakaSimon nguNemuweli, noYamin, noYaribhi, nguZera noSawule, nguShalum unyana wakhe,

25nguMibhesam unyana wakhe, nguMishma unyana wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Oonyana bakaMishma nguHamuweli unyana wakhe, nguZakure unyana wakhe, nguShimehi unyana wakhe.

27UShimehi ubenoonyana abalishumi elinabathandathu, neentombi ezintandathu; abazalwana bakhe ababanga nabantwana baninzi; wonke umzalwane wabo awandanga njengonyana bakaYuda.

28Bahlala eBher-shebha, naseMolada, naseHatsare-shuwali,

29naseBhileha, nase-Etsem, naseToladi,

30naseBhetuweli, naseHorma, naseTsikelage, naseBhete-markabhoti,

31naseHatsarsusim, naseBhete-bhiri, naseShaharayim. Yabiyiyo leyo imizi yabo, wada uDavide waba ngukumkani.

32Nemizi yabo yiEtam neAyin, yiRimon neToken neAshan: izixeko ezihlanu;

33nemizana yonke ebeyiyiphahlile loo mizi, kwesa kwaBhahali. Zizo ezo iindawo zokuhlala kwabo, benokubhalelwa emilibeni yokuzalwa kwabo.

34UMeshobhabhi, noYamleki, noYosha unyana ka-Amatsiya,

35noYoweli, noYehu unyana kaYoshibhiya, unyana kaSeraya, unyana ka-Asiyeli,

36noEliyohenayi, noYahakobha, noYeshohaya, noAsaya, noAdiyeli, noYesimiyeli, noBhenaya;

37noZiza unyana kaShifi, unyana ka-Alon, unyana kaYedaya, unyana kaShimri, unyana kaShemaya:

38abo bakhankanyiweyo ngamagama ababezizikhulu emizalwaneni yabo. Izindlu zooyise zanaba kunene.

39Baya entshonalanga kweGedore, bezisa empumalanga komfula, beyifunela utyani impahla yabo emfutshane.

40Bafumana utyani bukhulile, bubuhle; ilizwe libanzi ngeenxa zombini, lizolile, lonwabile; ngokuba abakaHam babemi khona kudala.

41Beza abo babhaliweyo amagama ngemihla kaHezekiya ukumkani wakwaYuda, bazixhaxha iintente zabo, bawasingela phantsi namaMehun abawafumana khona, unanamhla. Bahlala ezikhundleni zabo; ngokuba bekukho utyani bempahla yabo emfutshane khona.

42Kwaphuma kubo, koonyana bakaSimon abo, kwaya entabeni yaseSehire, amadoda angamakhulu amahlanu, ephethwe ngooPelatiya, noNehariya, noRefaya, noUziyeli, oonyana bakaIshi.

43Baxabela amaqongqolo ama-Amaleki abesindile; bahlala khona unanamhla.

IziKronike I 5

© 1975 Bible Society of South Africa.

Imilibo yezizalwana

1Oonyana bakaRubhen, amazibulo kaSirayeli (ngokuba ibinguye owamazibulo; ke
ngokuwuhlambela kwakhe umandlalo kayise, ubuzibulo bakhe banikwa oonyana
bakaYosefu unyana kaSirayeli, akaba nakubhalwa emilibeni yokuzalwa ukuba
ngowamazibulo;

2ngokuba uYuda waba ligorha phakathi kwabazalwana bakhe, yaphuma kuye
ingànga; ke bona ubuzibulo bebubobukaYosefu):

3oonyana bakaRubhen, amazibulo kaSirayeli, nguEnoki, noFalu, nguHetseron,
noKarmi.

4Oonyana bakaYoweli nguShemaya unyana wakhe, nguGogi unyana wakhe,
nguShimehi unyana wakhe,

5nguMika unyana wakhe, nguRehaya unyana wakhe, nguBhahali

6unyana wakhe, nguBhehera unyana wakhe, owafuduswa nguTigelate-pilenezere,
ukumkani waseAsiriya; nguye obesisikhulu samaRubhen.

7Abazalwana bakhe, elowo ngokwemizalwane yakhe, ekubhalweni emilibeni
yokuzalwa ngokweenzala zabo: iintloko ibingooYehiyeli noZekariya,

8noBhela unyana ka-Azazi, unyana kaShema, unyana kaYoweli, obehleli eArohere,
wesa eNebho naseBhahali-mehon.

9Wahlala ngasempumalanga, wesa entlango ethabathela emlanjeni ongumEfrati;
ngokuba imfuyo yabo yayandile ezweni laseGiliyadi.

10Ngemihla kaSawule benza imfazwe namaHagari; awela esandleni sabo. Bahlala
ezintenteni zawo, ngecala lasempumalanga lonke laseGiliyadi.

11Ke kaloku oonyana bakaGadi bahlala malungana nabo ezweni laseBhashan, besa
eSaleka;

12nguYoweli intloko, noShafam onganeno, noYanayi, noShafati eBhashan.

13Nabazalwana babo bendlu yooyise ngooMikayeli, noMeshulam, noShebha,
noYorayi, noYakan, noZiya, noEbhere; basixhenxe abo.

14Ngabo aba oonyana baka-Abhihayili, unyana kaHuri, unyana kaYarowa, unyana
kaGiliyadi, unyana kaMikayeli, unyana kaYeshishayi, unyana kaYado, unyana kaBhuzi:

15uAhi unyana ka-Abhediyeli, unyana kaGuni, intloko yendlu yooyise.

16Bahlala eGiliyadi naseBhashan, nasemagxamesini ayo, nasemadlelweni onke
aseSharon, kwesa ekupheleni kwawo.

17Bonke abo babhalwa emilibeni yokuzalwa ngemihla kaYotam ukumkani
wakwaYuda, nangemihla kaYarobheham ukumkani wakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Oonyana bakaRubhen, namaGadi, nesiqingatha sesizwe sakwaManase, kumakroti, amadoda anokuphatha ingweletshetshe nekrele, nokugoba isaphetha, afundiswe ukulwa, ngamashumi amané anesiné amawaka, anamakhulu asixhenxe, anamanci amathandathu, abephuma umkhosi.

19Benza imfazwe namaHagari, noYeture, noNafishe, noNodabhi.

20Bancediswa kuwo, amaHagari anikelwa esandleni sabo, nabo bonke abebenawo. Ngokuba balila kuThixo ekulweni, wathandazeka ngabo; ngokuba babekholose ngaye.

21Bayithimba imfuyo yawo, iinkamela zawo amashumi omahlanu amawaka, nempahla emfutshane amakhulu omabini anamanci mahlanu amawaka, namaesile amawaka amabini, abantu belikhulu lamawaka.

22Ngokuba kwawa babaninzi ababuleweyo; ngokuba yayiphuma kuThixo imfazwe leyo. Bahlala ezikhundleni zabo, bada bathinjwa.

23Ke kaloku oonyana besiqingatha sesizwe sakwaManase bahlala kwelo zwe; bathabathela eBhashan, besa eBhahalihermon, naseSenire, nasentabeni yeHermon, ukuba baninzi kwabo.

24Zizo ezi iintloko zezindlu zooyise: noEfere, noIshi, noEliyeli, noAzeriyeli, noYeremiya, noHodaviya, noYadiyeli, amadoda angamagorha anobukroti, amadoda anegama, iintloko zezindlu zooyise.

25Bameneza kuThixo wooyise, bahenyuza ngokulandela oothixo bezizwe zelo zwe, awazitshabalalisayo uThixo phambi kwabo.

26UThixo kaSirayeli wawuxhokonxa umoya kaPuli, ukumkani waseAsiriya, nomoya kaTigelate-pilenezere, ukumkani waseAsiriya, wawafudusa amaRubhen, namaGadi, nesiqingatha sesizwe sakwaManase, wabása eHala, naseHabhore, naseHara, nasemlanjeni oyiGozan, unanamhla.

IziKronike I 6

Imilibo yezizalwana

1Oonyana bakaLevi nguGershon, noKehati, noMerari.

2Oonyana bakaKehati nguAmram, noItsare, noHebron, noUziyeli.

3Abantwana baka-Amram ngooAron, noMoses, noMiriyam. Oonyana baka-Aron ngooNadabhi, noAbhihu, nguElazare, noItamare.

4UElazare wazala uPinehasi, uPinehasi wazala uAbhishuwa;

5uAbhishuwa wazala uBhuki;

© 1975 Bible Society of South Africa.

6uBhuki wazala u-Uzi; u-Uzi wazala uZeraya; uZeraya wazala uMerayoti; uMerayoti wazala uAmariya;

7uAmariya wazala uAhitobhi; uAhitobhi wazala uTsadoki;

8uTsadoki wazala uAhimahatse;

9uAhimahatse wazala uAzariya; uAzariya wazala uYohanan;

10uYohanan wazala uAzariya, (yena ke ebengumbingeleli endlwini awayakháyo uSolomon eYerusalem);

11uAzariya wazala uAmariya; uAmariya wazala uAhitubhi; uAhitubhi wazala uTsadoki;

12uTsadoki wazala uShalum; uShalum wazala uHilekiya;

13uHilekiya wazala uAzarita;

14uAzariya wazala uSeraya;

15uSeraya wazala uYotsadaki; uYotsadaki wahamba, akuwafudusa uYehova amaYuda neYerusalem ngoNebhukadenetsare.

16Oonyana bakaLevi nguGershom, noKehati, noMerari.

17Ngawo la amagama oonyana bakaGershom: nguLibheni noShimehi.

18Oonyana bakaKehati nguAmram, noItsare, noHebron, noUziyeli.

19Oonyana bakaMerari nguMaheli noMushi. Yiyo ke leyo imizalwane kaLevi, ngokwezindlu zooyise.

20KuGershom: nguLibheni unyana wakhe, nguYahati unyana wakhe, nguZima unyana wakhe,

21nguYowa unyana wakhe, nguIdo unyana wakhe, nguZera unyana wakhe, nguYehatrayi unyana wakhe.

22Oonyana bakaKehati nguAminadabhi unyana wakhe, nguKora unyana wakhe, nguAsire unyana wakhe,

23nguElikana unyana wakhe, noEbhiyasefu unyana wakhe, noAsire unyana wakhe,

24nguTahati unyana wakhe, ngu-Uriyeli unyana wakhe, ngu-Uziya unyana wakhe, nguSawule unyana wakhe.

25Ooyana bakaElikana nguAmasayi noAhimoti.

26KuElikana: oonyana bakaElikana nguTsofayi unyana wakhe, noNahati unyana wakhe,

27nguEliyabhi unyana wakhe, nguYoram unyana wakhe, nguElikana unyana wakhe.

28Oonyana bakaSamuweli nguVashni amazibulo akhe, noAbhiya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Oonyana bakaMerari nguMaheli, nguLibheni unyana wakhe, nguShimehi unyana wakhe, ngu-Uza unyana wakhe,

30nguShimeha unyana wakhe, nguHagiya unyanawakhe, nguAsaya unyana wakhe.

31Aba ngabo wabaphathisayo uDavide ingoma endlwini kaYehova, kususela koko yaphumlayo ityeya.

32Balungiselela ngengoma phambi komnquba oyintente yokuhlangana, wada uSolomon wayakha indlu kaYehova eYerusalem; bema ngokwesiko labo enkonzweni yabo.

33Aba ngabo bema noonyana babo. Kubo oonyana bakaKehati nguHeman imvumi, unyana kaYoweli, unyana kaShemuweli,

34unyana kaElikana, unyana kaYeroham, unyana kaEliyeli, unyana kaToha,

35unyana kaTsufi, unyana kaElikana, unyana kaMahati, unyana ka-Amasayi,

36unyana kaElikana, unyana kaYoweli, unyana ka-Azariya, unyana kaZefaniya,

37unyana kaTahati, unyana ka-Asire, unyana ka-Abhiyasefu, unyana kaKora,

38unyana kaItsare, unyana kaKehati, unyana kaLevi, unyana kaSirayeli.

39Ke umzalwana wakhe uAsafu wema ngasekunene kwakhe: uAsafu unyana kaBherekiya,

40unyana kaShimeha, unyana kaMikayeli, unyana kaBhahaseya,

41unyana kaMalekiya, unyana kaEteni,

42unyana kaZera, unyana ka-Adaya, unyana kaEtan, unyana kaZima, unyana kaShimehi,

43unyana kaYahati, unyana kaGershom, unyana kaLevi.

44Abazalwana babo, oonyana bakaMerari, bema ngasekhohlo: uEtan unyana kaKishi, unyana ka-Abhedi, unyana

45kaMuluki, unyana kaHashabhiya, unyana ka-Amatsiya, unyana kaHilekiya,

46unyna ka-Amtsi, unyana kaBhani,

47unyana kaShemere, unyana kaMaheli, unyana kaMushi unyana kaMerari, unyana kaLevi.

48Abazalwana babo, abaLevi, babemiselwe umsebenzi wonke womnquba wendlu kaThixo.

49Ke uAron noonyana bakhe babeqhumisela esibingelelweni sedini elinyuka yo, nasesibingelelweni sesiqhumiso, bengabomsebenzi wonke wengcwele kangcwele,

© 1975 Bible Society of South Africa.

bacamagushèle amaSirayeli, ngokoko konke wawisa umthetho ngako uMoses, umkhonzi kaThixo.

50Ngabo aba oonyana baka-Aron: nguElazare unyana wakhe, nguPinehasi unyana wakhe, nguAbhishuwa unyana wakhe, nguBhuki unyana wakhe,

51ngu-Uzi unyana wakhe, nguZeraya unyana wakhe,

52nguMerayoti unyana wakhe, nguAmariya unyana wakhe, nguAhitubhi unyana wakhe,

53nguTsadoki unyana wakhe, nguAhimahatse unyana wakhe.

54Ngawo la amakhaya abo ngokweengqili zabo, emideni yabo, ezoonyana baka-Aron, ngokwemizalwane kaKehati;

55ngokuba laba lelabo iqashiso: babanika owaseHebron ezweni lakwaYuda, na madlelo awo ngeenxa zonke;

56ke wona amasimi omzi lowo nemizana yawo bawanika uKalebhi, unyana kaYefune.

57Babanika oonyana baka-Aron imizi yokusabela: owaseHebron, neLibhena namadlelo ayo, neYatire, ne-Eshtemowa namadlelo ayo,

58neHilen namadlelo ayo, neDebhire namadlelo ayo,

59neAshan namadlelo ayo, neBhete-shemeshe namadlelo ayo.

60Esizweni sakwaBhenjamin: iGebha namadlelo ayo, neAlemete namadlelo ayo, neAnatoti namadlelo ayo. Yonke imizi yabo ngokwemizalwane yabo yabe iyimizi elishumi elinamithathu.

61Oonyana bakaKehati abaseleyo banikwa emzalwaneni wesizwe sakwaEfrayim, nasesizweni sakwaDan, nasesiqingatheni sesizwe sakwaManase, ngeqashiso imizi elishumi.

62Oonyana bakaGershom ngokwemizalwane yabo banikwa esizweni sakwaIsakare, nasesizweni sakwa-Ashere, nasesizweni sakwaNafetali, nasesizweni sakwaManase eBhashan, imizi yalishumi elinamithathu.

63Oonyana bakaMerari ngokwemizalwane yabo banikwa esizweni sakwaRubhen, nasesizweni sakwaGadi, nasesizweni sakwaZebhulon, ngeqashiso imizi elishumi elinamibini.

64Oonyana bakaSirayeli babanika abaLevi imizi namadlelo ayo.

65Babanika ngeqashiso esizweni soonyana bakaYuda, nasesizweni soonyana bakaSimon, nasesizweni soonyana bakaBhenjamin, yona le mizi ibiziweyo ngamagama ayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

66Ke emizalwaneni yoonyana bakaKehati kwabakho imizi yemida yabo esizweni sakwaEfrayim.

67Babanika imizi yokusabela: owakwaShekem namadlelo awo ezintabeni zakwaEfrayim, neGezere namadlelo ayo,

68neYokemeham namadlelo ayo, neBhete-horon namadlelo ayo;

69neAyalon namadlelo ayo, neGati-rimon namadlelo ayo;

70nasesiqingatheni sesizwe sakwaManase: iAnere namadlelo ayo, neBhileham namadlelo ayo, ngokomzalwane woonyana bakaKehati abaseleyo.

71Oonyana bakaGershom banikwa emzalwaneni wesiqingatha sesizwe sakwaManase: iGolan yaseBhashan namadlelo ayo, neAshtaroti namadlelo ayo;

72nasesizweni sakwaIsakare: iKedeshe namadlelo ayo, neDabherati namadlelo ayo,

73neRamoti namadlelo ayo, neAnem namadlelo ayo;

74nasesizweni sakwa-Ashere: iMashale namadlelo ayo, neAbhedon namadlelo ayo,

75neHukoki namadlelo ayo, neRehobhi namadlelo ayo;

76nasesizweni sakwaNafetali: iKedeshe yaseGalili namadlelo ayo, neHamon namadlelo ayo, neKiriyatayim namadlelo ayo.

77Abaseleyo kubaLevi koonyana bakaMerari banikwa esizweni sakwaZebhulon: iRimono namadlelo ayo, neTabhore namadlelo ayo;

78naphesheya kweYordan ngaseYeriko, ngasempumalanga kweYordan esizweni sakwaRubhen: iBhetsere esentlango namadlelo ayo, neYatsa namandlelo ayo,

79neKedemoti namadlelo ayo, neMefahta namadlelo ayo; nasesizweni sakwaGadi:

80iRamoti yaseGiliyadi namadlelo ayo, neMahanayim namadlelo ayo,

81neHeshbhon namadlelo ayo, neYazere namadlelo ayo.

IziKronike I 7

Imilibo yezizalwana

1Oonyana bakaIsakare nguTola, noPuwa, noYashubhi, noShimrom; babebané.

2Oonyana bakaTola ngu-Uzi, noRefaya, noYeriyeli, noYamayi, noIbhesam, noSamuweli, iintloko zezindlu zooyise zikaTola; amagorha anobukroti, ngokweenzala zawo. Inani lawo ngemihla kaDavide laba ngamashumi amabini anamabini amawaka, anamakhulu amathandathu.

3Oonyana bakaUzi nguIzerahiya. Noonyana bakaIzerahiya nguMikayeli, no-Obhadiya, noYoweli, noIshiya; babebahlanu, beziintloko bonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ndawonye nabo ngokweenzala zabo, ngokwezindlu zooyise, kwakukho izimpi zomkhosi wokulwa, amashumi amathathu anamathandathu amawaka; ngokuba babenabafazi noonyana abaninzi.

5Abazalwana babo, ngokwemizalwane yonke yakwaIsakare, amagorha anobukroti, baye bengamashumi asibhozo anesixhenxe amawaka, ukubhalwa kwabo emilibeni yabo yokuzalwa bebonke.

6Oonyana bakaBhenjamin nguBhela, noBhekere, noYedihayeli; bebebathathu.

7Oonyana bakaBhela nguEtsebhon, noUzi, noUziyeli, noYerimoti, noIri; baye bebahlanu, iintloko zezindlu zooyise, amagorha anobukroti; ngokubhalwa kwabo emilibeni yokuzalwa babengamashumi amabini anamabini amawaka, anamanci mathathu anesiné.

8Oonyana bakaBhekere nguZemira, noYowashe, noEliyezere, noEliyohenayi, no-Omri, noYeremoti, noAbhiya, noAnatoti, noAlamete; bonke abo ngoonyana bakaBhekere;

9ngokubhalwa kwabo emilibeni yokuzalwa ngokweenzala zabo zeentloko zezindlu zooyise, amagorha anobukroti, babengamashumi amabini amawaka, anamakhulu amabini.

10Oonyana bakaYedihayeli nguBhilehan. Oonyana bakaBhilehan nguYehushe, noBhenjamin, noEhudi, noKenahana, noZetan, noTarshishe, noAhishahare.

11Bonke abo babengoonyana bakaYedihayeli, ngokweentloko zezindlu zooyise, amagorha anobukroti, alishumi elinesixhenxe lamawaka, anamakhulu mabini, aphuma umkhosi aye kulwa.

12OoShupim noHupim ngoonyana bakaIre; ooHushim ngoonyana baka-Ahere.

13Oonyana bakaNafetali nguYatsiyeli, noGuni, noYetsere, noShalum, oonyana bakaBhiliha.

14Oonyana bakaManase nguAsheriyeli, awamzalelwayo. Ishweshwe lakhe, umAramikazi, lazala uMakire, uyise kaGiliyadi.

15UMakire wazeka udade booHupim noShupim; igama lodade wabo belinguMahaka; igama lowesibini belinguTselofehadi; ke uTselofehadi ubeneentombi.

16UMahaka umkaMakire wazala unyana, wathi igama lakhe nguPereshe; igama lomninawa wakhe belinguShereshe; oonyana bakhe ngu-Ulam noRekem.

17Oonyana bakaUlam nguBhedan. Ngabo abo oonyana bakaGiliyadi, unyana kaMakire, unyana kaManase.

18Udade wabo, uHamolekete, wazala uIshodi, noAbhihezere, noMahala.

19Oonyana bakaShemida babengooAhiyan, noShekem, noLiki, noAniyam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Oonyana bakaEfrayim nguShutela, noBherede unyana wakhe,

21noTahati, unyana wakhe, noEliyada unyana wakhe, noTahati unyana wakhe, noZabhadi unyana wakhe, noShutela unyana wakhe, noEzere, noEladi; abababulalayo abantu bakwaGati, ababezalelwe kwelo zwe; ngokuba babehle beza kuthabatha imihlambi yabo.

22Wenza isijwili uEfrayim, uyise, imihla emininzi, beza kumkhuza abazalwana bakhe.

23Wamngena umfazi wakhe; wakhawula, wazala unyana, wathi igama lakhe nguBheriya; ngokuba bekuhlé ububi endlwini yakhe.

24Intombi yakhe ibinguShera; yayakha iBhete-horon, eyasezantsi neyasentla, neUzen-shera.

25URefa ebengunyana wakhe, noReshefe; uTela ngunyana wakhe, noTahan unyana wakhe,

26uLadan unyana wakhe, uAmihudi unyana wakhe, uElishama unyana wakhe,

27uNun unyana wakhe, uYoshuwa unyana wakhe.

28Ke kaloku ilifa labo, namakhaya abo, yiBheteli namagxamesi ayo; ngasempumalanga yiNaharan; ngasentshonalanga yiGezere namagxamesi ayo, nowakwaShekem namagxamesi awo, kwesa eGaza namagxamesi ayo.

29Esezandleni zoonyana bakaManase yiBhete-shehan namagxamesi ayo, yiTahanaki namagxamesi ayo, yiMegido namagxamesi ayo, yiDore namagxamesi ayo. Kulapho kwakumi oonyana bakaYosefu, unyana kaSirayeli.

30Oonyana baka-Ashere nguImna, noIshwa, noIshevi, noBheriya, noSera udade wabo.

31Oonyana bakaBheriya nguHebhere, noMalekiyeli, onguyise kaBhirzaviti.

32UHebhere wazala uYafelete, noShomere, noHotam, noShuwa udade wabo.

33Oonyana bakaYafelete nguPasaki, noBhimhali, noAshevati.

34Ngabo abo oonyana bakaYafelete. Oonyana bakaShemere nguAhi, noRoga, noYehubha, noAram.

35Oonyana bakaHelem umzalwana wakhe nguTsofa, noImna, noSheleshe, noAmali.

36Oonyana bakaTsofa nguSuwa, noHarenefere, noShuwali, noBheri,

37noImra, nguBhetsere noHodi, noShama, noShilesha, noItran, noBhehera.

38Oonyana bakaYetere nguYefune, noPisepa, noAra.

39Oonyana bakaUla nguAra, noHaniyeli, noRitsiya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

40Bonke abo babengoonyana baka-Ashere: iintloko zezindlu zooyise, amagorha ahleliweyo anobukroti, iintloko zezikhulu. Ukubhalwa kwabo emilibeni yokuzalwa kwasemkhosini, ukuba balwe, babengamadoda angamashumi omabini anamathandathu amawaka, inani lawo.

IziKronike I 8

Imilibo yezizalwana

1UBhenjamin wazala uBhela amazibulo akhe, noAshebhele owesibini,

2noAhara owesithathu, uNoha owesiné, noRafa owesihlanu.

3Oonyana bakaBhela babengooAdare, noGera, noAbhihudi,

4noAbhishuwa, noNahaman, noAhowa,

5-6noGera, noShefufan, noHuram. Ngabo abo oonyana bakaEhudi, abo baziintloko zezindlu zooyise kubemi baseGebha; babafudusela eManahati:

7nguNahaman, noAhiya, noGera, owabafudusayo; uEhudi wazala u-Uza noAhihudi.

8UShaharayim wazala emhlabeni wakwaMowabhi, emveni kokubandulula wakhe ooHushim noBhahara, abafazi bakhe;

9wazala ngoHodeshe umkakhe: uYobhabhi, noTsibheya, noMesha, noMalekom,

10noYehutse, noShakiya, noMirma. Ngabo abo oonyana bakhe, iintloko zezindlu zooyise.

11NgoHushim wazala uAbhitubhi noEliphahali.

12Oonyana bakaElipahali: nguEbhere, noMisham, noShemere, owayakhayo iOno, neLodi namagxamesi ayo.

13NgooBheriya noShema abaziintloko zezindlu zooyise kubemi baseAyalon, abagxotha abemi baseGati.

14OoAhiyo, noShashaki, noYeremoti,

15noZebhadiya, noAradi, noEdere,

16noMikayeli, noIshpa, noYoha babengoonyana bakaBheriya.

17OoZebhadiya, noMeshulam, noHizeki, noHebhere,

18noIshmerayi, noYeziliya, noYobhabi babengoonyana bakaElepahali.

19OoYakim, noZikri, noZabhedi,

20noElihenayi, noTsiletayi, noEliyeli,

21noAdaya, noBheraya, noShimrati babengoonyana bakaShimehi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22OoIshpan, noEbhere, noEliyeli,

23noAbhedon, noZikri, noHanan, noHananiya,

24noElam, noAntotiya, noIfediya,

25noPenuweli babengoonyana bakaShashaki.

26OoShamesherayi, noShehariya, noAtaliya,

27noYareshiya, noEliya, noZikri babengoonyana bakaYeroham.

28Zizo ezo iintloko zezindlu zooyise ngokweenzala zazo; ziintloko ke ezo; ezo zahlala eYerusalem.

29EGibheyon kwahlala ozala amaGibheyon, uYehiyeli; igama lomkakhe belinguMahaka.

30NguAbhedon unyana wakhe wamazibulo, noTsure, noKishe, noBhahali, noNadabhi,

31noGedore, noAhiyo, noZekere.

32UMikeloti wazala uShimeha. Nabo bahlala eYerusalem nabazalwana babo, malungana nabazalwana babo.

33UNere wazala uKishe; uKishe wazala uSawule; uSawule wazala uYonatan, noMalekishuwa, noAbhinadabhi, noEshbhahali.

34Unyana kaYonatan nguMeribhi-bhahali; uMeribhi-bhahali wazala uMika.

35Oonyana bakaMika nguPiton, noMeleki, noTareya, noAhazi.

36UAhazi wazala uYehowada; uYehowada wazala uAlemete, noAzemavete, noZimri;

37uZimri wazala uMotsa; uMotsa wazala uBhineha. NguRafa unyana wakhe, nguElehasa unyana wakhe, nguAtsele unyana wakhe.

38UAtsele ebenoonyana abathandathu; ngawo la amagama abo; nguAzerikam, nguBhokeru, noIshmayeli, noShehariya, no-Obhadiya, noHanan. Bonke abo babengoonyana baka-Atsele.

39Oonyana bakaEsheki, umzalwana wakhe, ngu-Ulam amazibulo akhe, nguYehushe owesibini, nguElifelete owesithathu.

40Oonyana bakaUlam babengamadoda angamagorha anobukroti, abagoba isaphetha; babenoonyana abaninza, noonyana boonyana, ikhulu elinamanci mahlanu. Bonke abo babengaboonyana bakaBhenjamin.

IziKronike I 9

Imilibo yezizalwana

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Onke ke amaSirayeli abhalwa emilibeni yokuzalwa: nango ke ebhaliwe encwadini yookumkani bakwaSirayeli. AmaYuda athinjwa, asiwa eBhabheli ngenxa yokumeneza kwawo.

2Abemi bokuqala, ababesemafeni abo emizini yabo, babengamaSirayeli, ababingeleli, nabaLevi, nabasebenza etempileni.

3EYerusalem kwahlala aboonyana bakaYuda, naboonyana bakaBhenjamin, naboonyana booEfrayim noManase:

4ngu-Utayi, unyana ka-Amihudi, unyana kaOmri, unyana kaImri, unyana kaBhani, koonyana bakaPeretse, unyana kaYuda.

5NakumaShilo: nguAzaya amazibulo akhe, noonyana bakhe.

6Koonyana bakaZera nguYehuweli nabazalwana bakhe: amakhulu amathandathu anamanci asithoba.

7Koonyana bakaBhenjamin: nguSalu unyana kaMeshulam, unyana kaHodafiya, unyana kaHasenuwa,

8noIbheneya unyana kaYeroham, noEla unyana kaUzi, unyana kaMikri, noMeshulam unyana kaShefatiya, unyana kaRehuweli, unyana kaIbheniya;

9nabazalwana babo ngokweenzala zabo: amakhulu asithoba anamanci mahlanu anabathandathu. Onke loo madoda abeziintloko zezindlu zooyise ezindlwini zooyise.

10Kubabingeleli: nguYedaya, noYehoyaribhi,

11noYakin, noAzariya, unyana kaHilekiya, unyana kaMeshulam, unyana kaTsadoki, unyana kaMerayoti, unyana ka-Ahitubhi, ingànga yendlu kaThixo;

12noAdaya, unyana kaYeroham, unyana kaPashure, unyana kaMalekiya; noMahasayi unyana ka-Adiyeli, unyana kaYazera, unyana kaMeshulam, unyana kaMeshilemiti, unyana kaImere;

13nabazalwana babo, iintloko zezindlu zooyise, iwaka elinamakhulu asixhenxe, anamanci mathandathu amagorha anobukroti ekuwusebenzeni umsebenzi wendlu kaThixo.

14KubaLevi: nguShemaya, unyana kaHashubhi, unyana ka-Azerikam, unyana kaHashabhiya koonyana bakaMerari;

15nguBhakebhakare, noHereshe, noGalali; noMataniya unyana kaMika, unyana kaZikri, unyana ka-Asafu;

16no-Obhadiya, unyana kaShemaya, unyana kaGalali, unyana kaYedutun; noBherekiya unyana ka-Asa, unyana kaElikana, obehleli emizaneni yamaNetofa.

17Abamasango: nguShalum, noAkubhi, noTalemon, noAhiman, nabazalwana babo; intloko inguShalum;

© 1975 Bible Society of South Africa.

18kude kwaba namhla esesangweni lokumkani empumalanga. Ngabo abo abamasango eminqubeni yoonyana bakaLevi.

19UShalum, unyana kaKore, unyana kaEbhiyasafu, unyana kaKora, nabazalwana bakhe ngokwendlu yooyise, amaKora, ayephethe umsebenzi wenkonzo, engabagcini beminyango yentente. Nooyise bawo babephethe iminquba kaYehova, begcina isango.

20UPinehasi, unyana kaElazare, waye eyingànga yabo ngenxa engaphambili; uYehova wayenaye.

21UZekariya unyana kaMeshelemiya wayengowesango ekungeneni kwentente yokuhlangana.

22Bonke bephela, behleliwe ukuba babe ngabagcini bamasango, babengamakhulu amabini, anashumi-nye linababini. Bona babebhalwe emilibeni yabo yokuzalwa emizaneni yabo. Bona bamiswa nguDavide noSamuweli imboni, ngokunyaniseka kwabo.

23Bona abo noonyana babo babesemasangweni endlu kaYehova, endlu yentente, ngokokugcina.

24Babekho abamasango ngamacala omané, ngasempumalanga, ngasentshonalanga, ngasentla, nangasezantsi.

25Abazalwana babo emizaneni yabo babengabokuza ngomhla wesixhenxe amaxesha ngamaxesha kunye nabo.

26Ngokuba abaLevi abo, abaphathi abakhulu abané ababengabamasango, babephethe amagumbi nobuncwane bendlu kaThixo benyanisile.

27Ukulala, babeyijikeleza indlu kaThixo; ngokuba ukugcina bekukokwabo, kunabo ukuyivula imiso ngemiso.

28Kubo bekukho abaphethe iimpahla zenkonzo; ngokuba babezingenisa ngenani, bazikhuphe ngenani.

29Kubo bekukho abamiselwe phezu kwempahla, naphezu kwempahla yonke engcwele, naphezu komgubo ocoliweyo, newayini, neoli, nentlaka emhlophe, nobulawu.

30Koonyana bababingeleli bekukho abacola ubuqholo bobulawu.

31UMatitiya, omnye wakubaLevi, obengowamazibulo kaShalum umKora, ubephethe enyanisekile umsebenzi wokosa ngeepani.

32Koonyana bakaKehati, kubazalwana babo, bekukho ababephethe izonka ezikroziswayo, ukuzilungisa iisabata ngeesabata.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Zizo ezo iimvumi, iintloko zezindlu zooyise zabaLevi, ezibe zihleli emagumbini zikhululekile; ngokuba beziphethe umsebenzi imini nobusuku.

34Zizo ezo iintloko zezindlu zooyise zabaLevi, ziziintloko ngokweenzala zazo, ezo zahlala eYerusalem.

35EGibheyon kwakuhleli ozala amaGibheyon, uYehiyeli; igama lomkakhe belinguMahaka.

36Unyana wakhe wamazibulo nguAbhedon, yanguTsure, noKishe, noBhahali, noNere, noNadabhi,

37noGedore, noAhiyo, noZekariya, noMikeloti.

38UMikeloti wazala uShimeham. Kwanabo bahlala nabazalwana babo eYerusalem, malunga nabazalwana babo.

39UNere wazala uKishe; uKishe wazala uSawule; uSawule wazala uYonatan, noMalekishuwa, noAbhinadabhi, noEshbhahali.

40Unyana kaYonatan nguMeribhi-bhahali; uMeribhi-bhahali wazala uMika.

41Oonyana bakaMika nguPiton, noMeleki, noTareya, noAhazi.

42UAhazi wazala uYara; uYara wazala uAlemete, noAzemavete, noZimri; uZimri wazala uMotsa.

43UMotsa wazala uBhineha, noRefaya unyana wakhe, uElehasa unyana wakhe, uAtsele unyana wakhe.

44UAtsele ubenoonyana abathandathu; ngawo la amagama abo: nguAzerikam, noBhokeru, noIshmayeli, noShehariya, no-Obhadiya, noHanan. Ngabo abo oonyana baka-Atsele.

IziKronike I 10

Ukoyiswa kukaSawule nokufa kwakhe

1Ke kaloku amaFilisti alwa namaSirayeli; asaba amadoda akwaSirayeli phambi kwamaFilisti, awa engxwelerhiwe ezintabeni zaseGilibhowa.

2AmaFilisti athana mbende noSawule noonyana bakhe. AmaFilisti ambulala uYonatan, noAbhinadabhi, noMalekishuwa, oonyana bakaSawule.

3Yanzima imfazwe kuSawule. Bamfumana abatoli, wathuthumela ngenxa yabatoli.

4Wathi uSawule kumphathi weentonga zakhe, Rhola ikrele lakho, undihlabe ngalo, hleze beze aba bangalukileyo, bafekethe ngam. Àkavuma umphathi weentonga zakhe, ngokuba ubesoyika kakhulu. Walithabatha uSawule ikrele, waziwisa phezu kwalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Uthe umphathi weentonga zakhe, akubona ukuba ufile uSawule, waziwisa naye phezu kwekrele lakhe, wafa.

6Wafa ke uSawule, noonyana bakhe abathathu, nendlu yakhe yonke; bafa kunye.

7Athi onke amadoda akwaSirayeli abesentilini leyo, akubona ukuba kusatyiwe, ukuba ufile uSawule noonyana bakhe, ayilahla imizi yawo, asaba; eza ke amaFilisti, ahlala kuyo.

8Kwathi ngengomso, amaFilisti eza kubhunyula ababuleweyo, amfumana uSawule noonyana bakhe bewile ezintabeni zaseGilibhowa.

9Ambhunyula, ayisusa intloko yakhe neentonga zakhe, athumela ezweni lamaFilisti ngeenxa zonke, ukuba aluxele olu daba lumnandi kwizithixo zabo nasebantwini.

10Azibeka iintonga zakhe endlwini yezithixo zawo, ukakayi lwakhe alubethelela endlwini kaDagon.

11Beva bonke abaseYabheshe yaseGiliyadi konke awakwenzayo amaFilisti kuSawule,

12esuka onke amadoda anobukroti, asithwala isidumbu sikaSawule nezidumbu zoonyana bakhe, azizisa eYabheshe. Awangcwaba amathambo abo phantsi komterebhinti eYabheshe, azila ukudla imihla yasixhenxe.

13Wafa ke uSawule ngokumeneza kwakhe, awameneza ngako kuYehova, ezwini likaYehova angaligcinanga; kwanangokubuzisa kwakhe koneshologu, ngokuquqela kuye,

14akaquqela kuYehova; wambulala ke, wabuguqulela ubukumkani kuDavide unyana kaYese.

IziKronike I 11

UDavide wenziwa ukumkani

1Abuthelana ke onke amaSirayeli kuDavide eHebron, athi, Uyabona, silithambo lakho, siyinyama yakho;

2kwangaphambili, oko uSawule ebengukumkani, ibinguwe obuphuma ungena namaSirayeli; wathi uYehova uThixo wakho kuwe, Wena uya kubalúsa abantu bam amaSirayeli; wena uya kuba yingànga yabantu bam amaSirayeli.

3Afika onke amadoda amakhulu akwaSirayeli kukumkani eHebron, wenza umnqophiso nawo uDavide eHebron, phambi koYehova; amthambisa uDavide ukuba abe ngukumkani kumaSirayeli, ngokwelizwi likaYehova ngesandla sikaSamuweli.

4Wahamba uDavide namaSirayeli onke, waya eYerusalem (yiYebhusi ke leyo), apho abekhona amaYebhusi, abemi belo zwe.

5Bathi abemi beYebhusi kuDavide, Akusayi kungena apha. Wayithimba uDavide imboniselo yeZiyon (ngumzi kaDavide ke lowo).

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi uDavide, Owaxabele amaYebhusi kwasentloko, woba yintloko nomthetheli. Wenyuka kwasentloko uYowabhi unyana kaTseruya, waba yintloko ke.

7UDavide wahlala emboniselweni apho; ngenxa yoko bathi ngumzi kaDavide.

8Wawakha umzi, wajikelezisa ngeenxa zonke, wathabathela eMilo, wajikelezisa. UYowabhi wawasindisa amaqongqolo aloo mzi.

9UDavide waya eba mkhulu ngokuba mkhulu; uYehova wemikhosi ubenaye.

Amagorha kaDavide

10Zizo ezi iintloko zamagorha abekuDavide, esomelezana naye ebukumkanini bakhe kunye namaSirayeli onke, ukuba amenze ukumkani, ngokwelizwi likaYehova kumaSirayeli.

11Lilo eli inani lamagorha kaDavide: nguYashobheham unyana kaHakimoni, intloko yabaphathi-mikhosi. Yena wathi rhuthu intshuntshe yakhe kumakhulu amathathu, awahlatywayo ngasihlandlo sinye.

12Emva kwakhe nguElazare unyana kaDodo, umAhowa, owayengomnye kumagorha amathathu.

13Yena wayenoDavide ePas-damim; amaFilisti ayebuthelene khona ukuba alwe. Kwakukho khona isiqwenga somhlaba, sinerhasi ichumile; basaba abantu ebusweni bamaFilisti.

14Wesuka yena wamisa esazulwini sesiqwenga eso, wasithimba, yena wawabulala amaFilisti; uYehova wenza ke usindiso olukhulu.

15Kwehla isithathu sabaziintloko emashumini amathathu, saya kuDavide eweni, emqolombeni waseAdulam; yaye impi yamaFilisti imise iintente entilini yamaRafa.

16UDavide oko ubesemboniselweni apho; ikampu yamaFilisti oko ibiseBhetelehem.

17Wanqwena uDavide wathi, Akwaba, bethu, bendingasezwa amanzi equla laseBhetelehem elisesangweni!

18Atyhudisa empini yamaFilisti amadoda amathathu lawo, akha amanzi equleni laseBhetelehem elisesangweni, awathwala awazisa kuDavide. Akavuma ke uDavide ukuwasela; wawathululela phantsi, phambi koYehova, wathi,

19Makube lee kum, Thixo wam, ukwenza oko. Igazi lala madoda, eliyimiphefumlo yawo, ndolisela yini na? ngokuba awazisa encamé imiphefumlo yawo. Akavuma ke ukuwasela. Enza ezo zinto amagorha lawo mathathu.

20UAbhishayi, umninawa kaYowabhi, yena waye eyintloko yamathathu. Yena wathi rhuthu intshuntshe yakhe kumakhulu amathathu, wabinza. Waba negama ke kulawo mathathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Kulawo mathathu wayezukile kunamabini, waba ngumthetheli wawo ke; àkafika kodwa kulawa mathathu.

22UBhenaya unyana kaYoyada, unyana wendoda enobukroti yaseKabhetseli, ezenzo zininzi, yena wabulala iingwanyalala ezimbini zakwaMowabhi; yena wehla, wabulala ingonyama emhadini phakathi, mhla ngekhephu.

23Yena wabulala indoda engumYiputa, indoda enewonga, ekubhite zintlanu; umYiputa lowo ephethe intshuntshe enjengomthi wabaluki beengubo. Wehla ke waya kuyo ephethe intonga, wayihlutha intshuntshe esandleni somYiputa lowo, wambulala kwangentshuntshe yakhe.

24Wenza ezo zinto uBhenaya unyana kaYoyada; waba negama ke kwisithathu eso samagorha.

25Yabona, wayezukile yena kunamashumi amathathu lawo; kodwa àkafika kwamathathu lawa. UDavide wammisa ephakathini lakhe.

26Amagorha anobukroti ayengooAsaheli, umninawa kaYowabhi; uElihanan, unyana kaDodo, waseBhetelehem;

27uShamoti waseHarodi; uHeletse umPelon;

28uIra unyana kaIkeshe, waseTekowa; uAbhihezere waseAnatoti;

29uSibhekayi umHusha;

30uIlayi umAhowa; uMaharayi waseNetofa; uHelede unyana kaBhahana, waseNetofa;

31uItayi unyana kaRibhayi, waseGibheha yoonyana bakaBhenjamin; uBhenaya wasePiraton;

32uHurayi wasezihlanjeni zaseGahashe;

33uAbhiyeli waseArabha; uAzemavete waseBhaharum; uEliyabha waseShahalebhon;

34uBhene-hashem waseGizon; uYonatan unyana kaShage, umHarari;

35uAhiyam unyana kaSakare, umHarari;

36uElifali unyana kaUre; uHefere umMekera;

37uAhiya umPelon; uHetsero waseKarmele; uNaharayi unyana kaEsebhayi;

38uYoweli umzalwana kaNatan;

39uMibhehare unyana kaHagri; uTseleke umAmon; uNaharayi waseBheroti, umphathi weentonga zikaYowabhi unyana kaTseruya;

40uIra umItri; uGarebhe umItri;

41u-Uriya umHeti; uZabhadi unyana ka-Alayi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

42uAdina unyana kaShiza, umRubhen, intloko yamaRubhen, enamashumi amathathu;

43uHanan unyana kaMahaka; noYoshafati waseMeten;

44u-Uziya waseAshterati; uShama noYehiyeli, oonyana bakaHotam waseArahere;

45uYedihayeli unyana kaShimri, noYoha umzalwana wakhe, umTitsi;

46uEliyeli umMahavi; noYeribhayi noYoshafiya, oonyana bakaElinaham;

47noItema umMowabhi; uEliyeli, no-Obhedi, noYahasiyeli waseMetsobhaya.

IziKronike I 12

Abancedisi bakaDavide

1Nâbá, abeza kuDavide eTsikelage, esavingcelekile ngenxa kaSawule unyana kaKishe; bona bekumagorha, bencedisa emfazweni,

2bexhobe izaphetha, besawula ngamatye ngesokunene nangesokhohlo isandla, betola ngeentolo, bengabakubazalwana bakaSawule, bengabakumaBhenjamin.

3Intloko ibinguAhiyezere noYowashe, oonyana bakaShemaha waseGibheha; noYeziyeli noPelete, oonyana baka-Azemavete; noBheraka, noYehu waseAnatoti;

4noIshmaya waseGibheyon, igorha kula mashumi mathathu, elaliphethe amashumi amathathu; noYeremiya, noYahaziyeli, noYohanan, noYozabhadi waseGedere;

5uEluzayi, noYerimoti, noBhehaliya, noShemariya, noShefatiya umHarufi;

6uElikana, noYeshiya, noAzarele, noYohezere, noYashobheham, amaKora;

7noYohela noZebhadiya oonyana bakaYeroham waseGedore.

8KumaGadi awazahlulela ukuya kuDavide emboniselweni, asinga entlango, ngamadoda anobukroti, amadoda omkhosi okulwa, exhobe ikhaka nomkhonto; ubuso bawo bunjengobengonyama, enjengamabhadi asezintabeni ukukhawuleza kwawo.

9NguEzere owokuqala; nguObhadiya owesibini; nguEliyabhi owesithathu;

10nguMishemana owesiné; nguYeremiya owesihlanu;

11nguAtayi owesithandathu; nguEliyeli owesixhenxe;

12nguYohanan owesibhozo; nguElizabhadi owesithoba;

13nguYeremiya oweshumi; nguMakebhanayi oweshumi elinanye.

14Abo, koonyana bakaGadi, ibiziintloko zomkhosi. Emnye kubo engomncinane ubelilingene ikhulu; omkhulu kubo ubelilingene iwaka.

15Ngabo abo bayiwelayo iYordan ngenyanga yokuqala, izele, ihamba phezu kweendonga zayo; bagxotha bonke abasezintilini empumalanga nasentshonalanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Kwaya aboonyana bakaBhenjamin bakaYuda emboniselweni kuDavide.

17Waphuma uDavide, waya kubakhawulela, wathi kubo, Ukuba niza kum ninoxolo, ukuba nindincede, intliziyo yam yoba nye neyenu; ke ukuba nize kundikhohlisa, nindinikele kubabandezeli bam, kungekho lugonyamelo esandleni sam, wóbona uThixo woobawo bethu, ohlwaye.

18Umoya wamthi gqubuthu uAmasayi, intloko yabaphathi-mikhosi, wathi, Singabakho, Davide; singakuwe, nyana kaYese. Uxolo, uxolo lube kuwe, uxolo lube kubancedi bakho; ngokuba úya kuncéda uThixo wakho. Wabamkela ke uDavide, wabamisa baziintloko zamaqela.

19KumaManase kwabakho abaphambela kuDavide, ekuyeni kwakhe namaFilisti ukuba kuliwe noSawule, baza àbawanceda; ngokuba zacebisana zamndulula izikhulu zamaFilisti, zisithi, Wóphambela kuSawule inkosi yakhe, senzakale ke.

20Ekuyeni kwakhe eTsikelage, wathelelwa ngabakwaManase, uAdena, noYozabhadi, noYedihayeli, noMikayeli, noYozabhadi, noElihu, noTsiletayi, iintloko zamawaka akwaManase.

21Bona bancedisana noDavide kuloo matutu; ngokuba babengamagorha anobukroti bonke, babengabathetheli emkhosini.

22Ngokuba ngelo xesha babesiya iimini ngeemini kuDavide ukumnceda, yada yangumkhosi omkhulu, njengomkhosi kaThixo.

23Ngawo la amanani eentloko ezaxhobela imfazwe, zeza kuDavide eHebron, ukuba buguqulelwe kuye ubukumkani bukaSawule, ngokomlomo kaYehova.

24Oonyana bakaYuda ababephethe amakhaka nezikhali ngamawaka amathandathu anamakhulu asibhozo, exhobele imfazwe.

25Koonyana bakaSimon, amagorha angamakroti emfazweni ngamawaka asixhenxe anekhulu.

26Koonyana bakaLevi ngamawaka amané, anamakhulu mathandathu.

27Ke uYehoyada waye eyingànga yama-Aron; wayenamawaka amathathu anamakhulu asixhenxe.

28UTsadoki, indodana eligorha elinobukroti, nendlu kayise, ngabathetheli abamashumi mabini anababini.

29Koonyana bakaBhenjamin, abazalwana bakaSawule, ngamawaka amathathu; kwada kwaba ngoku uninzi Iwabo lugcina isigxina sendlu kaSawule.

30Koonyana bakaEfrayim ngamawaka amashumi mabini, anamakhulu asibhozo amagorha anobukroti, amadoda anegama ezindlwini zooyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Kwisiqingatha sesizwe sakwaManase lishumi elinesibhozo lamawaka, ababalulwa ngamagama, ukuba baye kumenza ukumkani uDavide.

32Koonyana bakaIsakare, abawaziyo abawaqondayo amaxesha, ukwazela ange ekwenza amaSirayeli, babengamakhulu amabini, iintloko zabo. Bonke abazalwana babo benza ngokomlomo wabo.

33KwaZebhulon, abaphuma umkhosi, abaxhobela ukulwa, beneentonga zonke zemfazwe, ngamashumi omahlanu amawaka, behlohla uluhlu, bengenazintliziyo zimbaxa.

34KwaNafetali, yaba ngabathetheli abaliwaka, benamashumi amathathu anesixhenxe amawaka, aphethe amakhaka neentshuntshe.

35KwaDan, abaxhobele imfazwe yangamashumi amabini anesibhozo amawaka, anamakhulu mathandathu.

36Kwa-Ashere, abaphuma umkhosi, bexhobele ukulwa, yangamashumi omané amawaka.

37Phesheya kweYordan, kwaRubhen nakwaGadi, nakwisiqingatha sesizwe sakwaManase, beneentonga zonke zomkhosi wokulwa, yalikhulu elinamanci mabini amawaka.

38Onke loo madoda okulwa ahlohla uluhlu, aya enentliziyo ephelelisekileyo eHebron, ukuba amenze ukumkani uDavide kumaSirayeli onke. Kananjalo namanye amaSirayeli onke ayenantliziyo-nye yokumenza ukumkani uDavide.

39AyenoDavide apho iintsuku ezintathu, esidla esela; ngokuba abazalwana bawo baye bewalungiselele.

40Kananjalo abakufuphi nabo, kwada kwesa kwaIsakare, nakwaZebhulon, nakwaNafetali, bazisa izonka ngamaesile, nangeenkamela, nangoondlebende, nangamaqegu, ukudla okungumgubo, nezicumba zamakhiwane nezeerasintyisi, newayini, neoli, neenkomo, nempahla emfutshane, into eninzi; ngokuba bekuvuywa kwaSirayeli.

IziKronike I 13

Ukufuduswa kwetyeya eKiriyati-yeharim

1Wacebisana uDavide nabathetheli bamawaka nabamakhulu, iingànga zonke.

2Wathi uDavide kwibandla lonke lakwaSirayeli, Ukuba kulungile kuni, ukuba kuvela kuYehova uThixo wethu, masiphange, sithumele kubazalwana bethu abaseleyo emazweni onke akwaSirayeli, kunye nabo ke sithumele kubabingeleli nabaLevi abasemizini yamadlelo abo, ukuba babuthelane kuthi;

3siyiguqulele kuthi ityeya kaThixo wethu; ngokuba asibuzisanga kuyo ngeemini zikaSawule.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Lathi lonke ibandla, Makwenjiwe njalo; ngokuba lalilungile elo zwi emehlweni abantu bonke.

5Wawabizela ndawonye ke uDavide onke amaSirayeli, wathabathela eShihore yaseYiputa, wada wasa ekungeneni eHamati, ukuba ayithabathe ityeya kaThixo eKiriyati-yeharim.

6Wenyuka uDavide namaSirayeli onke, waya eBhahala, eyiKiriyati-yeharim eyakwaYuda, ukuba ayinyuse apho ityeya kaThixo onguYehova, onguHleli-ezikerubhini, igama lokunqulwa kwakhe.

7Bayikhwelisa ityeya kaThixo enqwelweni entsha, ukuphuma endlwini ka-Abhinadabhi; u-Uza noAhiyo bayiqhuba inqwelo.

8UDavide namaSirayeli onke baqamba phambi koYehova ngamandla onke, ngeengoma, nangeehadi, nangemirhubhe, nangeengqongqo, nangamacangci nangamaxilogo.

9Baya bafika esandéni sikaKidon; u-Uza wasa isandla sakhe, wayibamba ityeya; ngokuba iinkomo beziyigungqisa.

10Wavutha umsindo kaYehova ku-Uza, wambetha ngenxa enokuba wasa isandla sakhe etyeyeni; wafela khona phambi koThixo.

11Kwavutha umsindo kuDavide, ngokuba uYehova emtyhobozele ngotyhobozo u-Uza; wathi loo ndawo yiPeretse-uza, unanamhla.

12UDavide wamoyika uThixo ngaloo mini, wathi, Ndothini na ukuyizisa kum ityeya kaThixo?

13UDavide àkayisa kuye ityeya emzini kaDavide; wayisonga, wayiphambukisela endlwini kaObhedi-edom waseGati.

14Yahlala ityeya kaThixo emzini kaObhedi-edom, endlwini yakhe, iinyanga zantathu. UYehova wayisikelela ke indlu kaObhedi-edom, nento yonke anayo.

IziKronike I 14

Ukoyiswa kwamaFilisti nguDavide

1Ke kaloku uHiram, ukumkani waseTire, wathuma abathunywa kuDavide, nemisedare, neengcibi zeendonga, neengcibi zemithi, ukumakhela indlu.

2Wazi uDavide ukuba uYehova umqinisile waba ngukumkani wamaSirayeli; baphakanyiselwa phezulu ubukumkani bakhe ngenxa yabantu bakhe amaSirayeli.

3UDavide wabuya wazeka abanye abafazi eYerusalem; uDavide wabuya wazala abanye oonyana neentombi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ngawo la amagama abantwana awabazuzayo eYerusalem: uShamuwa, noShobhabhi, noNatan, noSolomon,

5noIbhehare, noElishuwa, noElipelete,

6noNoga, noNefege, noYafiya,

7noElishama, noBheleyada, noElifelete.

8Athi ke amaFilisti, akuva ukuba uthanjiswe uDavide, waba ngukumkani kumaSirayeli onke, enyuka onke amaFilisti, aya kumfuna uDavide. Weva uDavide, waphuma waya kuwahlangabeza.

9AmaFilisti eza athi dwe entilini yamaRafa.

10Wabuza uDavide kuThixo, wathi, Ndinyuke na ndiye kumaFilisti? Wòwanikela na esandleni sam? Wathi uYehova kuye, Nyuka, ndowanikela esandleni sakho.

11Benyuka baya eBhahali-peratsim, wawabulalela khona uDavide. Wathi uDavide, UThixo uzityhobozele iintshaba zam ngesandla sam, njengokutyhoboza kwamanzi; ngenxa yoko bathi igama laloo ndawo yiBhahali-peratsim.

12Azishiya apho izithixo zawo; wathi uDavide mazitshiswe ngomlilo.

13Abuya aphinda amaFilisti, athi dwe entilini leyo. Wabuya wabuza uDavide kuThixo.

14Wathi uThixo kuye, Uze ungenyuki uwasukele; jika umke kuwo, ufike kuwo malunga nemithi yemibhaka;

15kuthi, ekuveni kwakho isandi sokuhamba emantloko emithi yemibhaka, wandule ukuphuma ulwe; ngokuba úphumile uThixo phambi kwakho, ukuba awuxabele umkhosi wamaFilisti.

16Wenza uDavide njengoko uThixo wamwisela umthetho ngako; bawuxabela umkhosi wamaFilisti, bathabathela eGibheyon, besa naseGezere.

17Lwaphuma lwagqiba ilizwe udumo lukaDavide; uYehova wazenza zonke iintlanga ukuba zinkwantye nguye.

IziKronike I 15

Ukuziswa kwetyeya eYerusalem

1UDavide wazenzela izindlu emzini kaDavide; wayilungiselela indawo ityeya kaThixo, wayimisela intente.

2Waza uDavide wathi, Mayingathwalwa ityeya kaThixo ngabangebaLevi; ngokuba unyulé bona uYehova ukuba bayithwale ityeya kaThixo, bamlungiselele ngonaphakade.

3UDavide wawabizela ndawonye onke amaSirayeli eYerusalem, ukuze ityeya kaYehova inyuswe, isiwe endaweni yayo abeyilungisele yona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wabahlanganisa uDavide oonyana baka-Aron nabaLevi.

5Koonyana bakaKehati yangu-Uriyeli umthetheli, nabazalwana bakhe, belikhulu elinamanci mabini.

6Koonyana bakaMerari yanguAsaya umthetheli, nabazalwana bakhe, bengamakhulu amabini anamanci mabini.

7Koonyana bakaGershom yanguYoweli umthetheli, nabazalwana bakhe, belikhulu elinamanci mathathu.

8Koonyana bakaElitsafan yanguShemaya umthetheli, nabazalwana bakhe, bengamakhulu amabini.

9Koonyana bakaHebron yanguEliyeli umthetheli, nabazalwana bakhe, bengamashumi asibhozo.

10Koonyana bakaUziyeli yanguAminadabhi umthetheli, nabazalwana bakhe, belikhulu elinashumi-nye linababini.

11UDavide wabiza ooTsadoki noAbhiyatare ababingeleli, nabaLevi ooUriyeli, noAsaya, noYoweli, noShemaya, noEliyeli, noAminadabhi.

12Wathi kubo, Niziintloko zezindlu zooyihlo kubaLevi; zingcwaliseni nina nabazalwana benu, ninyuse ityeya kaYehova uThixo kaSirayeli, ize apho ndiyilungiselele khona;

13ngokuba, yabingenini nje enayinyusayokwasekuqaleni, wasityhobozela uYehova uThixo wethu, ngokuba singamfunanga ngokwesiko.

14Bazingcwalisa ke ababingeleli nabaLevi, ukuba bayinyuse ityeya kaYehova uThixo kaSirayeli.

15Bayithwala oonyana bakaLevi ityeya kaThixo, njengoko abemwisele umthetho uMoses ngokwelizwi likaYehova, emagxeni abo, ngezibonda ezikuwo.

16Wathi uDavide kubathetheli babaLevi, mabamise abazalwana babo babe ziimvumi, beneempahla zokuvuma: imirhubhe, neehadi, namacangci akhenkcezayo, kuphakanyiswe ngesandi sovuyo.

17AbaLevi bamisa ke uHeman unyana kaYoweli, nakubazalwana bakhe uSafu unyana kaBherekiya, nakoonyana bakaMerari, abazalwana babo, uEtan unyana kaKushaya,

18benabazalwana babo bolwesibini udidi: yanguZekariya, noBhen, noYahaziyeli, noShemiramoti, noYehiyeli, noUni, noEliyabhi, noBhenaya, noMahazeya, noMatitiya, noElifelehu, noMikeneya, oo-Obhedi-edom, noYehiyeli, abamasango.

19Iimvumi, ooHeman, noAsafu, noEtan, baba ngabokuvakalisa ngamacangci obhedu;

20ooZekariya, noHaziyeli, noShemiramoti, noYehiyeli, noUni, noEliyabhi, noMagaseya, noBhenaya, ngemirhubhe, ngeleentombi ilizwi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

[21]ooMatitiya, noElifelehu, noMikeneha, no-Obhedi-edom, noYehiyeli, noAzaziya ngeehadi, ngelamadoda ilizwi, ukuba bahlabele.

[22]UKenaniya, umthetheli wabaLevi ekuthwaleni, wafundisa ukuthwala; ngokuba ebenengqondo yoko.

[23]OoBherekiya noElikana babengabamasango etyeya.

[24]OoShebhaniya, noYehoshafati, noNataniyeli, noAmasayi, noZekariya, noBhenaya, noEliyezere, ababingeleli, babengabokuvuthela ngamaxilongo phambi kwetyeya kaThixo, Oo-Obhedi-edom noYehiya babengabamasango etyeya.

[25]Kwathi ke ooDavide, namadoda amakulu akwaSirayeli, nabathetheli bamawaka, baya kuyinyusa ityeya yomnqophiso kaYehova endlwini kaObhedi-edom, bevuya.

[26]Kwathi, ekubancedeni kukaThixo abaLevi, bayithwala ityeya yomnqophiso kaYehova, babingelela iinkunzi ezintsha zeenkomo zasixhenxe, neenkunzi zeegusha zasixhenxe.

[27]Wayambethe ingubo yokwaleka yelinen ecikizekileyo uDavide, nabaLevi bonke ababethwele ityeya, neemvumi, noKenaniya umphathi wabathwali; ke uDavide wayebhinqe iefodi yelinen emhlophe.

[28]AmaSirayeli onke abeyinyusa ityeya yomnqophiso kaYehova eduma, enesandi sezigodlo, nesamaxilongo, nesamacangci, evakalisa ngemirhubhe nangeehadi.

[29]Kwathi ke ekufikeni kwetyeya yomnqophiso kaYehova emzini kaDavide, walunguza ngefestile uMikali, intombi kaSawule, wabona ukumkani uDavide esina, eqamba, wamcekisa entliziyweni yakhe.

IziKronike I 16

Ingoma kaDavide yombulelo

[1]Bayingenisa ityeya kaThixo, bayimisa esazulwini sentente abeyimisele yona uDavide; basondeza amadini anyukayo, nemibingelelo yoxolo, phambi koThixo.

[2]Wagqiba ke uDavide ukunyusa amadini anyukayo, nemibingelelo yoxolo, wabasikelela abantu egameni likaYehova.

[3]Wababela bonke abantu bakwaSirayeli, ethabathela kwindoda wesa nakumfazi; elowo wamnika intenda yesonka, nomlinganiso wewayini, nesicumba seerasintyisi.

[4]Wamisa phambi kwetyeya kaYehova abalungiseleli kubaLevi, ukuba bakhumbuze, babulele, badumise uYehova uThixo kaSirayeli.

[5]YanguAsafu intloko, yanguZekariya emva kwakhe, noYehiyeli, noShemiramoti, noYehiyeli, noMatitiya, noEliyabhi, noBhenaya, no-Obhedi-edom, noYahaziyeli, ngeempahla zemirhubhe nangeehadi; uAsafu wenza isandi ngamacangci.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6OoBhenaya noYahaziyeli ababingeleli benza isandi ngamaxilongo ngamaxesha onke,
phambi kwetyeya yomnqophiso kaThixo.

7Waza ngaloo mini uDavide wabamisela kuqala ooAsafu nabazalwana bakhe
ukubulela kuYehova:

8Bulelani kuYehova, nqulani igama lakhe, Yazisani ezizweni izenzo zakhe
ezincamisileyo.

9Vumani kuye, mbetheleni uhadi, Xoxani ngemisebenzi yakhe yonke ebalulekileyo.

10Qhayisani ngegama lakhe elingcwele, Mayivuye intliziyo yabamngxameleyo
uYehova.

11Mfuneni uYehova namandla akhe, Ngxamelani ubuso bakhe ngamaxesha onke.

12Khumbulani imisebenzi yakhe ebalulekileyo, awayenzayo, Izimanga zakhe
nezigwebo zomlomo wakhe,

13Mbewu kaSirayeli, yomkhonzi wakhe, Nyana bakaYakobi, banyulwa bakhe.

14NguYehova, nguThixo wethu yena; Zisehlabathini lonke izigwebo zakhe.

15Khumbulani ngonaphakade umnqophiso wakhe, Ilizwi awalimisela izizukulwana
eziliwaka,

16Awanqophisana ngalo noAbraham; Nokufunga kwakhe kuIsake;

17Nokumisa kwakhe ukuba kube ngummiselo kuYakobi, Kube ngumnqophiso
ongunaphakade kuSirayeli;

18Esithi, Ndikunika ilizwe lakwaKanan, Libe licandelo lelifa lenu,

19Nisengamadoda ambalwa, Nibancinane, ningábaphambukeli kulo.

20Báhamba besuka kolunye uhlanga, baye kolunye uhlanga; Besuka kobunye
ubukumkani, baye kwabanye abantu.

21Àkavumela mntu ukuba abacudise, Wohlwaya ookumkani ngenxa yabo,

22Esithi, Musani ukubachukumisa abathanjiswa bam, Musani ukubaphatha kakubi
abaprofeti bam.

23Vumani kuYehova, nonke hlabathi, Shumayelani iindaba ezilungileyo zosindiso
lwakhe iimini ngeemini.

24Balisani ezintlangeni zonke uzuko lwakhe, Balisani ezizweni zonke imisebenzi yakhe
ebalulekileyo.

25Ngokuba mkhulu uYehova, engowokudunyiswa kunene; Uyoyikeka ngaphezu
koothixo bonke,

26Ngokuba bonke oothixo bezizwe àbanto zanto; UYehova yena wenza amazulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Yindili nobungangamela phambi kwakhe, Ngamandla novuyo endaweni yakhe engcwele.

28Mnikeni uYehova, nina mizalwane yezizwe, Mnikeni uYehova uzuko namandla.

29Mnikeni uYehova uzuko lwegama lakhe; Zisani umnikelo, nime phambi kwakhe; Mnquleni uYehova, nivethe ezingcwele.

30Thuthumelani phambi kwakhe, nonke hlabathi; Elimiweyo liya kuzinza ngoko, lingashukumi.

31Malivuye izulu, ligcobe ihlabathi, Makuthiwe ezintlangeni, UYehova ngukumkani.

32Malugqume ulwandle nokuzala kwalo; Malidlamke ilizwe, nento yonke ekulo,

33Ize imemelele imithi yehlathi phambi koYehova; Ngokuba esiza kuligweba ihlabathi.

34Bulelani kuYehova ngokuba elungile, Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

35Yithini, Sisindise, Thixo osisindisayo, Usibuthe, usihlangule ezintlangeni, Ukuze sibulele igama lakho elingcwele, Sizingce ngendumiso yakho.

36Makabongwe uYehova, uThixo kaSirayeli, Kususela kwaphakade, kude kuse ephakadeni! Bathi ke bonke abantu, Amen, bamdumisa uYehova.

37Wabashiya apho phambi kwetyeya yomnqophiso kaYehova ooAsafu nabazalwana bakhe, ukuba balugiselele phambi kwetyeya ngamaxesha onke, ngokwento yemini ngangemini yayo;

38noo-Obhedi-edom nabazalwana babo, bemashumi mathandathu anesibhozo; uObhedi-edom, unyana kaYedutun, noHosa bengabamasango.

39UTsadoki umbingeleli, nabazalwana bakhe abangababingeleli, babephambi komnquba kaYehova esigangeni esiseGibheyon,

40ukuba banyuse amadini anyukayo kuYehova esibingelelweni sedini elinyukayo amaxesha onke, kusasa nangokuhlwa, njengako konke okubhaliweyo emyalelweni kaYehova, awawumisela amaSirayeli.

41Babenabo ooHeman noYedutun, nabanye abanyulwa, abo babekhankanywe ngamagama, ukuba babulele kuYehova, ngokuba ingunaphakade inceba yakhe;

42benooHeman noYedutun, benamaxilongo, namacangci, abo benza isandi beneempahla zokuvuma zikaThixo; oonyana bakaYedutun bengabamasango.

43Bahamba bonke abantu, elowo waya endlwini yakhe; wabuya ke uDavide, weza kusikelela indlu yakhe.

IziKronike I 17

Injongo kaDavide yokwakha itempile ithintelwa nguNatan

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku kwathi, xa ahleliyo uDavide endlwini yakhe, wathi uDavide kuNatan umprofeti, Uyabona, mna ndihleli endlwini yemisedare; ke yona ityeya yomnqophiso kaYehova iphantsi kwamalengalenga.

2Wathi uNatan kuDavide, Konke okusentliziyweni yakho, kwenze, ngokuba uThixo unawe.

3Kwathi ngobo busuku lafika ilizwi likaThixo kuNatan, lisithi,

4Hamba uye kuthi kuDavide umkhonzi wam, Útsho uYehova ukuthi, Wena akusayi kundakhela ndlu yakuhlala.

5Ngokuba andihlalanga ndlwini, kususela kulaa mini ndawanyusayo ngayo amaSirayeli, unanamhla; ke ndisuka ententeni ndiye ententeni, ndisuke emnqubeni ndiye emnqubeni.

6Ekuhambeni konke, endakuhamba-hambayo namaSirayeli onke, khe ndathetha izwi na nakumnye kubagwebi bakwaSirayeli, endabawisela umthetho wokwalúsa abantu bam, lokuthi, Yini na ukuba ningàndakheli ndlu yamisedare?

7Ke ngoko wótsho kuDavide umkhonzi wam, ukuthi, Útsho uYehova wemikhosi, ukuthi, Ndákuthabatha edlelweni mna, ekulandeleni impahla emfutshane, ukuba ube yingànga yabantu bam amaSirayeli.

8Ndaba nawe kuko konke owahamba kuko, ndazinqumla zonke iintshaba zakho ebusweni bakho, ndakwenzela igama njengegama labakhulu abasehlabathini.

9Ndiya kubamisela indawo abantu bam amaSirayeli, ndibatyale, beme emanxuweni abo, bangabi sagungqa; oonyana bobutshijolo bangàbuyi babonákalise, njengamhla mnene;

10kususela kulaa mini ndabamisela abantu bam amaSirayeli abagwebi, ndazithoba zonke iintshaba zakho. Ke ndiyakuxelela ukuba uYehova uya kukwakhela indlu.

11Kothi, xa ithe yazaliseka imihla yakho yokuba uye kooyihlo, ndiyiphakamise emva kwakho imbewu yakhe, eya kuvela koonyana bakho, ndibuzinzise ukukumkani bakhe.

12Nguye oya kundakhela indlu, ndiyizinzise itrone yakhe, kude kuse ephakadeni.

13Mna ndiya kuba nguyise kuye, yena abe ngunyana kum. Inceba yam andiyi kuyisusa kuye, njengoko ndayisusayo kowayengaphambi kwakho.

14Ndiya kummisa endlwini yam, nasebukumkanini bam, kude kuse ephakadeni; itrone yakhe iya kuzinza kude kuse ephakadeni.

15Njengaloo mazwi onke, njengaloo mbono wonke, wenjenjalo uNatan ukuthetha kuDavide.

16Waya ukumkani uDavide, wahlala phambi koYehova, wathi, Ndingubani na, Yehova Thixo, iyintoni na indlu yam, ukuba ude undizise nalapha?

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kuncinane oko ke emehlweni akho, Thixo; uthethé nangendlu yomkhonzi wakho
wasingisa mgama; wandikhangela, wandenza umntu, wandinyusa, Yehova Thixo.

18Úsaya kongeza ntoni na uDavide, ukuthetha kuwe ngokusingisele ekuzukisweni
komkhonzi wakho lo? Wena uyamazi umkhonzi wakho lo.

19Yehova, ubenzé ngenxa yomkhonzi wakho, nangokwentliziyo yakho, bonke obo
bukhulu, ukwazisa ezi zenzo zonke zikhulu kangaka.

20Yehova, akukho unjengawe; akukho Thixo ngaphaya kwakho, njengoko konke
sikuvileyo ngeendlebe zethu.

21Luluphi na uhlanga ehlabathini apha, olunjengabantu bakho amaSirayeli; awaya
kuzikhululela lona uThixo, ukuba lube ngabantu, ukuba akumisele igama ngezenzo
ezikhulu nezoyikekayo, ngokugxotha iintlanga phambi kwabantu bakho
owabakhululayo eYiputa?

22Wabenza abantu bakho amaSirayeli baba ngabantu kuwe, kude kuse ephakadeni;
wena, Yehova, waba nguThixo kubo.

23Kaloku, Yehova, ilizwi olithethileyo ngomkhonzi wakho, nangendlu yakhe, malibe
yinyaniso kude kuse ephakadeni, wénze njengoko uthethileyo;

24libe yinyaniso, likhule igama lakho kude kuse ephakadeni, kusithiwa, UYehova
wemikhosi, uThixo wamaSirayeli, nguThixo kuSirayeli; indlu kaDavide, umkhonzi
wakho, iqinile phambi kwakho.

25Ngokuba wena, Thixo wam, ukutyhilile ezindlebeni zomkhonzi wakho, ukuba ùya
kumakhela indlu. Ngenxa yoko umkhonzi wakhe ufumene intliziyo yokuthandaza
phambi kwakho.

26Kaloku, Yehova, unguye uThixo wena; uzithethile ke ngomkhonzi wakho ezi zinto
zilungileyo.

27Kaloku makukholeke kuwe ukuyisikelela indlu yomkhonzi wakho, ukuba ihlale ihleli
phambi kwakho ngonaphakade; ngokuba wena, Yehova, úyisikelele into, yosikeleleka
ke ngonaphakade.

IziKronike I 18

Iimfazwe zikaDavide namagosa akhe

1Kwathi emveni kokuba njalo, uDavide wawaxabela amaFilisti, waweyisa;
wayithabatha iGati namagxamesi ayo esandleni samaFilisti.

2Wawaxabela amaMowabhi; amaMowabhi aba ngabakhonzi kuDavide, azisa
iminikelo.

3UDavide wamxabela uHadarezere, ukumkani weTsobha, eHamati, ekuyeni kwakhe
ukuwamisa amandla akhe emlanjeni ongumEfrati.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4UDavide wazithimbela iwaka leenqwelo zokulwa, namawaka asixhenxe abamahashe, namashumi omabini amawaka angumqikela. UDavide wawanqumla imisipha onke amahashe eenqwelo zokulwa, washiya kuwo aweenqwelo alikhulu.

5Ke ama-Aram aseDamasko eza kunceda uHadarezere ukumkani weTsobha. UDavide wabulala kuma-Aram amashumi amabini anamabini amawaka amadoda.

6UDavide wamisa ikampu kwa-Aramdamasko. Ama-Aram aba ngabakhonzi kuDavide, azisa iminikelo. UYehova wamsindisa uDavide ezindaweni zonke awahamba kuzo.

7Wawathabatha uDavide amakhaka egolide abekubakhonzi bakaHadarezere, wawazisa eYerusalem;

8naseTibhati naseKun, imizi kaHadarezere, uDavide wathabatha ubhedu oluninzi kunene, olo uSolomon wenza ngalo ulwandle lobhedu, neentsika, nempahla yobhedu.

9Weva ke uTohu ukumkani waseHamati, ukuba uDavide uyixabele yonke impi kaHadarezere ukumkani waseTsobha, wathuma uHadoram,

10unyana wakhe, kukumkani uDavide, ukuba ambuze ukuphila kwakhe, amsikelele, ngenxa yokuba ebelwile noHadarezere, wameyisa (ngokuba uTohu wayengumfo obesilwa noHadarezere). Waye uHadoram lowo ephetheneempahla zonke zegolide, nezesilivere, nezobhedu.

11Ukumkani uDavide wazingcwalisela kuYehova kananjalo ezo, kunye nesilivere negolide abeyithabathile ezintlangeni zonke, kumaEdom, nakumaMowabhi, nakoonyana baka-Amon, nakumaFilisti, nakuma-Amaleki.

12UAbhishayi unyana kaTseruya wawabulala amaEdom angamawaka alishumi linesibhozo eSihlanjeni seTyuwa.

13Wamisa ikampu kwelamaEdom; aba ngabakhonzi kuDavide onke amaEdom. UYehova wamsindisa uDavide ezindaweni zonke awahamba kuzo.

14Waye engukumkani ke uDavide kumaSirayeli onke; waye uDavide esenza okusesikweni nobulungisa ebantwini bakhe bonke.

15Ke uYowabhi unyana kaTseruya wayephethe umkhosi; noYehoshafati unyana ka-Ahiludi wayengumkhumbuzi wezinto zakomkhulu.

16UTsadoki unyana ka-Ahitubhi, noAbhimeleki unyana ka-Abhiyatare, babengababingeleli; uShavesha wayengumbhali.

17UBhenaya unyana kaYoyada ubephethe abancinithi nezigidimi. Oonyana bakaDavide babeyingalo yokunene kukumkani.

IziKronike I 19

Imfazwe nama-Amon nama-Aram

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Kwathi emva koko, wafa uNahashe, ukumkani woonyana baka-Amon; waba
ngukumkani unyana wakhe esikhundleni sakhe.

2Wathi ke uDavide, Mandimenzele inceba uHanun unyana kaNahashe, njengokuba
noyise wandenzela inceba. Wathumela uDavide abathunywa bokumkhuza ngaye
uyise. Beza ke abakhonzi bakaDavide ezweni loonyana baka-Amon kuHanun, ukuba
bamkhuze.

3Bathi abathetheli boonyana baka-Amon kuHanun, Ùcinga ukuba uDavide uzukisa
uyihlo na emehlweni akho, ngokuba ethume abakhuzi kuwe? Abakhonzi bakhe àbezé
kuwe na ukuze baligocagoce, balibhukuqe, balihlole ilizwe?

4Wabathabatha uHanun abakhonzi bakaDavide, wabaguya, wazicanda phakathi
iingubo zawo ezinde, wada waya kuma ngemisekela; wabandulula ke.

5Bahamba, bamxelela uDavide okwenziwe kuloo madoda. Wathumela
bawakhawulela; ngokuba amadoda lawo ayehlazisiwe kunene. Wathi ukumkani,
Hlalani eYeriko zide zihlume iindevu zenu, nandule ukubuya ke.

6Babona oonyana baka-Amon, ukuba bazinukisile kuDavide, bathumela ke ooHanun
noonyana baka-Amon kwa-Aram ephakathi kweMilambo, nakwa-Aram-mahaka,
naseTsobha, iwaka leetalente zesilivere, ukuba baqeshe iinqwelo zokulwa
nabamahahe.

7Baziqeshela amashumi amathathu anamabini amawaka eenqwelo zokulwa,
nokumkani waseMahaka, nabantu bakhe; beza ke bamisa iintente phambi
kweMedebha. Oonyana baka-Amon bahlanganisana, bephuma emizini yabo, beza
kulwa.

8Weva uDavide, wathuma uYowabhi, enomkhosi wonke wamagorha.

9Baphuma oonyana baka-Amon, bakha izintlu zokulwa ekungeneni komzi,
ookumkani ababezile bebodwa endle.

10Wabona uYowabhi ukuba imfazwe ibheké kuye, ngaphambili nangasemva;
wanyula emadodeni onke ahleliweyo kwaSirayeli, wakha uluhlu malunga nama-
Aram.

11Abanye abantu wabanikela esandleni sika-Abhishayi, umninawa wakhe; bakha
uluhlu malunga noonyana baka-Amon.

12Wathi, Ukuba ama-Aram athe andeyisa, wòndisiza; ukuba bathe oonyana baka-
Amon bakweyisa,

13ndokusiza Yomelela, somelele ngenxa yabantu bakowethu, nangenxa yemizi
yoThixo wethu; uYehova uya kwenza oko kulungileyo emehlweni akhe.

14Wafika uYowabhi nabantu ababenaye, wema phambi kwama-Aram, eza kulwa;
asaba ebusweni bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Babona oonyana baka-Amon ukuba asabile ama-Aram, basaba nabo ebusweni buka-Abhishayi umninawa wakhe, bangena ekhaya.

16Waya uYowabhi eYerusalem. Abona ama-Aram ukuba agxothiwe phambi kwamaSirayeli, athuma izigidimi, awarhola ama-Aram abephesheya koMlambo, uShofaki, umthetheli womkhosi kaHadarezere, ephambi kwawo.

17Kwaxelwa kuDavide; wahlanganisa amaSirayeli onke, wayiwela iYordan, waya kuwo, wakha uluhlu ukuba alwe nawo. UDavide walwakha uluhlu, esiya kuwahlangabeza ama-Aram ukuba alwe nawo; alwa ke naye.

18Asaba ama-Aram ebusweni bamaSirayeli; uDavide wabulala kuma-Aram amawaka asixhene abeenqwelo zokulwa, namashumi amané amawaka amadoda angumqikela, wabulala noShofaki, umthetheli womkhosi.

19Babona abakhonzi bakaHadarezere ukuba bagxothiwe phambi kwamaSirayeli, baxolisana noDavide, bamkhonza. Àkavuma ama-Aram ukuba sabasiza oonyana baka-Amon.

IziKronike I 20

Ukoyiswa kwama-Amon

1Kwathi ukuvela komnyaka, ngexesha lokuphuma kookumkani, uYowabhi wayeyiphethe impi ephuma umkhosi; walonakalisa ilizwe loonyana baka-Amon, wafika wayingqinga iRabha. UDavide yena wahlala eYerusalem. UYowabhi ke wayichitha iRabha, wayitshabalalisa.

2UDavide wasithabatha isithsaba sokumkani wabo entlokweni yakhe, wasifumana siyitalente yegolide ubunzima baso, sinamatye anqabileyo; sabekwa entlokweni kaDavide. Waphuma namaxhoba aloo mzi amaninzi kunene.

3Ke abantu ababekhona wabarhola, wabasika ngeesarha, nangezisizilo zesinyithi, nangeempahla ezibukhali zesinyithi. Wenjenjalo uDavide kwimizi yonke yoonyana baka-Amon. Wabuya ke uDavide nabantu bonke, waya eYerusalem.

Ingxilimbela yamaFilisti

4Kwathi emva koko, kwaliwa namaFilisti eGezere; wesuka uSibhekayi umHusha wambulala uSipayi, obe engowoonyana bakaRafa; oyiswa ke.

5Kwabuya kwaliwa namaFilisti. UElihanan unyana kaYahire wambulala uLami, umzalwana kaGoliyati waseGati, oluthi lwentshuntshe yakhe lwalungangomthi wabaluki.

6Kwabuya kwaliwa eGati. Kwakho ndoda iyingxilimbela, eminwe neenzwane zazingamashumi amabini anané; imithandathu sandleni sinye, zintandathu lunyaweni lunye; nayo ibizalwa nguRafa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Yawangcikiva amaSirayeli; wayibulala uYonatan, unyana kaShimeha umkhuluwa kaDavide.

8Abo bázalwa nguRafa eGati; bawa ngesandla sikaDavide, nangesandla sabakhonzi bakhe.

IziKronike I 21

Ubalo lwabantu nguDavide nesohlwayo sakhe

1Ke kaloku uSathana wesukela phezulu kumaSirayeli, waxhokonxa uDavide ukuba awabale amaSirayeli.

2Wathi ke uDavide kuYowabhi nakubathetheli babantu, Khaniye, niwabale amaSirayeli, nithabathela eBhershebha, nide nise kwaDan, nilizise kum, ndilazi inani lawo.

3Wathi uYowabhi, UYehova makalongezelele inani labantu bakhe izihlandlo ezilikhulu, kunoko bangako; kodwa, nkosi yam, kumkani, àbangabakhonzi benkosi yam bonke, yini na? Iyifunelani na le nto inkosi yam? Yini na ukuba iwazekise ityala amaSirayeli?

4Laqinisela ilizwi lokumkani kuYowabhi. Waphuma ke uYowabhi, wahambahamba kumaSirayeli onke, weza eYerusalem.

5UYowabhi wamnika ke uDavide inani lokubalwa kwabantu. AmaSirayeli onke aba sisigidi esinye esinamawaka alikhulu samadoda aphatha ikrele; namaYuda angamakhulu amané anamanci asixhenxe amawaka amadoda aphatha ikrele.

6Ke abaLevi namaBhenjamin akawabalanga phakathi kwawo; ngokuba ilizwi lokumkani laye lilisikizi kuYowabhi.

7Kwaba kubi emehlweni kaThixo ngenxa yale nto; wawohlwaya ke amaSirayeli.

8Wathi uDavide kuThixo, Ndonile kunene ngale nto ndiyenzileyo; kaloku khawubukhwelelise ubugwenxa bomkhonzi wakho; ngokuba ndenzé ubudenge obukhulu.

9Wathetha uYehova kuGadi, imboni kaDavide, esithi,

10Yiya uthethe kuDavide, uthi, Útsho uYehova ukuthi, Ndikubekela izinto ezintathu; zinyulele ibe nye kuzo, ndiyenze kuwe.

11Waya ke uGadi kuDavide, wathi kuye, Útsho uYehova ukuthi, Zityumbele;

12nokuba yiminyaka emithathu yendlala; nokuba ziinyanga ezintathu ugxothwa ziintshaba zakho, nekrele leentshaba zakho likufikela; nokuba yimihla emithathu yekrele likaYehova, nendyikitya yokufa ezweni, isithunywa sikaYehova sisonakalisa emimandleni yonke yakwaSirayeli. Kaloku ke, yenza ilizwi endolibuyisela kondithumileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wathi uDavide kuGadi, Ndididekile kunene; masendisíwa esandleni sikaYehova,
ngokuba ininzi imfesane yakhe; mandingaweli esandleni somntu.

14UYehova wathoba ke indyikitya yokufa kwaSirayeli; kwawa amashumi asixhenxe
amawaka amadoda kwaSirayeli.

15UThixo wathuma isithunywa eYerusalem, ukuba siyitshabalalise. Sakubona ukuba
siyatshabalalisa, wabona uYehova, wazohlwaya ngenxa yobubi obo; wathi
kwisithunywa eso sitshabalalisayo, Kwanele, sithobe kaloku isandla sakho. Ke kaloku
isithunywa sikaYehova sema esandéni sikaOrnan umYebhusi.

16UDavide wawaphakamisa amehlo akhe, wabona isithunywa sikaYehova simi
phakathi komhlaba nezulu, sithe rhuthu ikrele laso ngesandla, lolulelwe phezu
kweYerusalem. UDavide namadoda amakhulu, bezigubungele ngeengubo
ezirhwexayo, bawa phantsi ngobuso.

17Wathi uDavide kuThixo, Asindim yini na othe mababalwe abantu? Yaba ndim ke
owonileyo, ndenza ububi ukwenza oko; ke ezi zimvu zenzé ntoni na zona? Yehova
Thixo wam, isandla sakho masifikele mna, nendlu kabawo, singàbi kubantu bakho,
ukuba babulawe.

18Sathi isithunywa sikaYehova kuGadi, Makatsho kuDavide, enyuke uDavide, amisele
uYehova isibingelelo esandéni sikaOrnan umYebhusi.

19Wenyuka uDavide ngelizwi likaGadi, awalithethayo egameni likaYehova.

20Wathi guqugu uOrnan, wasibona isithunywa; oonyana bakhe abané ababenaye
bazimela; ke uOrnan wayebhula ingqolowa.

21Xa uDavide wayesiza kuOrnan, uOrnan wabheka wabona uDavide, waphuma
esandéni, waqubuda kuDavide, ebhekise ubuso bakhe emhlabeni.

22Wathi uDavide kuOrnan, Ndinike le ndawo yesandá, ndimakhele uYehova khona
isibingelo; wòndinika ngenani elizeleyo, sithintelwe isibetho ebantwini.

23Wathi uOrnan kuDavide, Yithabathele kuwe, inkosi yam ukumkani yenzè
okulungileyo emehlweni ayo; khangela, ndikunika iinkomo ezi ukuba zibe ngamadini
anyukayo, nempahla yokubhula ibe ziinkuni, nengqolowa ukuba ibe ngumnikelo
wokudla; ndikunika konke oko.

24Wathi ukumkani uDavide kuOrnan, Hayi; ndiya kusithenga ngexabiso
elizalisekileyo; ngokuba andiyi kumthabathela nto iyeyakho uYehova, ndinyuse
amadini anyukayo endiwazuzé ngelizé.

25UDavide wamnika uOrnan ngaloo ndawo iishekele zegolide ezibunzima bumakhulu
mathandathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

[26]Wakhela apho ke uDavide isibingelelo kuYehova, wanyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo, wanqula uYehova; waza yena wamphendula ngomlilo ovela ezulwini, phezu kwesibingelelo sedini elinyukayo.

[27]Wathetha uYehova kwisithunywa, salibuyisela esingxobeni ikrele laso.

[28]Ngelo xesha, akubona uDavide ukuba uYehova umphendule esandéni sikaOrnan umYebhusi, wamana ebingelela khona.

[29]Ke umnquba kaYehova, awawenzayo uMoses entlango, nesibingelelo sedini elinyukayo, bezisesigangeni eGibheyon ngelo xesha.

[30]UDavide ubengenakuya phambi kwawo amquqele uThixo; ngokuba ubesoyika ikrele lesithunywa sikaYehova.

IziKronike I 22

Amalungiselelo kaDavide okwakha itempile

[1]Wathi uDavide, Yiyo le indlu kaYehova uThixo; siso esi isibingelelo sedini elinyukayo sikaSirayeli.

[2]Wathi uDavide, mabawomele kuye abasemzini abasezweni lakwaSirayeli; wamisa abaqingqi bokuqingqa amatye axholiweyo, okwakha indlu kaThixo.

[3]UDavide walungisa isinyithi sasininzi sezikhonkwane zeengcango zamasango nesezibandakanyiso; nobhedu lwaluninzi, àlwaba nakulinganiswa;

[4]nemisedare engenakubalwa; ngokuba abaseTsidon nabaseTire bazisa imisedare yamininzi kuDavide.

[5]Wathi uDavide, USolomon unyana wam mncinane, uthambile; ke indlu eza kwakhelwa uYehova yeyokukhulisa, inyuse igama lakhe nodumo lwakhe emazweni onke; ngoko ke ndokha ndimlungiselele. Walungisa ke kakhulu uDavide phambi kokufa kwakhe.

[6]Wambiza uSolomon unyana wakhe, wamwisela umthetho wokuba amakhele uYehova, uThixo kaSirayeli, indlu.

[7]Wathi uDavide kuSolomon, Nyana wam, ndandisithi entliziyweni yam, ndiya kulakhela igama likaYehova uThixo wam indlu.

[8]Ke lafika kum ilizwi likaYehova, lisithi, Uphalazé igazi lalininzi, wenza iimfazwe ezinkulu; akuyi kulakhela ndlu igama lam, ngokuba uphalaze igazi elininzi ehlabathini phambi kwam.

[9]Yabona, uya kuzalelwa unyana; yena uya kuba yindoda yoxolo; ndiya kumphumza ezintshabeni zakhe zonke ngeenxa zonke; ngokuba liya kuba nguSolomon igama lakhe, ndiwanike uxolo nokuzola amaSirayeli ngeemini zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Nguye oya kulakhela igama lam indlu. Yena uya kuba ngunyana kum, mna ndibe
nguyise kuye, ndiyizinzise itrone yobukumkani bakhe kumaSirayeli, kude kuse
ephakadeni.

11Kaloku, nyana wam, uYehova makabe nawe, ube nempumelelo, uyakhe indlu
kaYehova uThixo wakho, njengoko akuthethileyo ngawe.

12Kodwa ke uYehova makakunike ukuqiqa nokuqonda, akuwisele umthetho
ngamaSirayeli, ukuba uwugcine umyalelo kaYehova uThixo wakho.

13Ùya kwandula ukuba nempumelelo, xa uthe wakugcina ukuyenza imimiselo
namasiko, awathi uYehova wamwisela uMoses umthetho ngawo ngenxa
yamaSirayeli. Yomelela ukhaliphe; musa ukoyika, ungaqhiphuki umbilini.

14Uyabona, ngemigudu yam indlu kaYehova ndiyilungisele ikhulu lamawaka
eetalente zegolide, nesigidi esinye seetalente zesilivere, nobhedu nesinyithi, into
engenakulinganiselwa ukuba ninzi kwayo; ndilungisé nemithi namatye; nawe
ungóngeza kwezo zinto.

15Unabo bebaninzi abasebenzi bomsebenzi, abaxholi neengcibi zamatye nezemithi,
nabalumkileyo emisebenzini yonke.

16Igolide, nesilivere, nobhedu, nesinyithi, yinto engenakubalwa. Suk' ume, wenze,
uYehova abe nawe.

17UDavide wabawisela umthetho bonke abathetheli bakwaSirayeli, ukuba bamncede
uSolomon unyana wakhe, wathi,

18Àkanáni yini na uYehova uThixo wenu, waniphumza ngeenxa zonke? Ngokuba
wabanikela esandleni sam abemi belizwe eli; loyiswa ilizwe eli phambi koYehova,
naphambi kwabantu bakhe.

19Ke ngoko zinikeleni iintliziyo zenu nemiphefumlo yenu ekumquqeleni uYehova
uThixo wenu; sukani nime, niyakhe ingcwele kaYehova uThixo, ningenise ityeya
yomnqophiso kaYehova, neempahla ezingcwele zikaThixo, endlwini leyo iya
kwakhelwa igama likaYehova.

IziKronike I 23

UDavide unikela uSolomon ukuba abe ngukumkani

1Ke kaloku, xa uDavide wayesel' aluphele, ehambisekile ebudaleni, wamenza
uSolomon unyana wakhe ukumkani kumaSirayeli.

Amanani abaLevi nomsebenzi wabo

2Wabahlanganisa bonke abathetheli bamaSirayeli, nababingeleli, nabaLevi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Babalwa abaLevi, kwathatyathelwa kwabaminyaka imashumi mathathu bezelwe kwenyusa. Inani labo ngokweentloko zabo, indoda ngendoda, laba ngamashumi amathathu anesibhozo amawaka.

4Kubo aba, abokongamela umsebenzi wendlu kaYehova baba ngamashumi amabini anamané amawaka; ababhali nabagwebi bangamawaka amathandathu.

5Abamasango baba ngamawaka amané; abadumisa uYehova ngeempahla endazenzela ukudumisa, watsho uDavide, baba ngamawaka amané.

6UDavide wabahlula bazizahlulo ngokoonyana bakaLevi, yanguGershon, noKehati, noMerari.

7KumaGershon yanguLadan noShimehi.

8Oonyana bakaLadan nguYehiyeli omkhulu, noZetam, noYoweli; bathathu.

9Oonyana bakaShimehi nguShelomiti, noHaziyeli, noHaran; bathathu. Zizo ezo iintloko zezindlu zooyise zikaLadan.

10Oonyana bakaShimehi nguYahati, noZina, noYehushe, noBheriya. Ngabo abo oonyana bakaShimehi; bané.

11UYahati wayengomkhulu, uZiza engowesibini; ke uYehushe noBheriya bebengenanyana baninzi; ngoko ke baba ludidi olunye, babalelwa kwindlu yoyise.

12Oonyana bakaKehati nguAmram, noItsare, noHebron, noUziyeli; bané.

13Oonyana baka-Amram nguAron noMoses. UAron watwetyulelwa ukuba angcwaliswe abe yingcwele kangcwele, yena noonyana bakhe, kude kuse ephakadeni; baqhumisèle phambi koYehova, balungiselele kuye, basikelele egameni lakhe kude kuse ephakadeni.

14Ke uMoses, umfo wakwaThixo, oonyana bakhe babizwa ngokwesizwe sakwaLevi.

15Oonyana bakaMoses nguGershom noEliyezere.

16Koonyana bakaGershom nguShebhuweli inkulu.

17Koonyana bakaEliyezere nguRehabheya inkulu. UEliyezere akabanga nanyana bambi; ke oonyana bakaRehabheya bebebaninzi, bagqithisela.

18Koonyana bakaItsare nguShelomiti inkulu.

19Koonyana bakaHebron nguYeriya inkulu, noAmariya owesibini, noYahaziyeli owesithathu, noYekamam owesiné.

20Koonyana bakaUziyeli nguMika inkulu, noIshiya owesibini.

21Oonyana bakaMerari nguMali noMushi. Oonyana bakaMali nguElazare noKishe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Wafa uElazare engenanyana, eneentombi zodwa; zazekwa ngoonyana bakaKishe, abazalwana bazo.

23Oonyana bakaMushi nguMali, noEdere, noYeremoti; bathathu.

24Ngabo abo oonyana bakaLevi ngokwezindlu zooyise, iintloko zezindlu zooyise ngokwababalwáyo kubo, ngenani lamagama ngokweentloko zabo, besenza imisebenzi yenkonzo yendlu kaYehova, bethabathela kwabaminyaka imashumi mabini bezelwe, kwenyusa.

25Ngokuba uDavide ubesithi, UYehova, uThixo kaSirayeli, ubaphumzile abantu bakhe; uhleli eYerusalem kude kuse ephakadeni.

26Kananjalo ke abaLevi akusafuneki ukuba bawuthwale umnquba, neempahla zawo zonke zenkonzo yawo.

27Ngokuba ngokwamazwi kaDavide okugqibela, babalwa oonyana bakaLevi, abathabathele kwabaminyaka imashumi mabini bezelwe, kwenyusa.

28Ngokuba ukuma kwabo kwaba ngasesandleni soonyana baka-Aron, enkonzweni yendlu kaYehova ezintendelezweni, nasemagumbini, nasekuhlanjululweni kwezinto zonke ezingcwele, nasemsebenzini wenkonzo yendlu kaThixo:

29owezonka ezikrozileyo, nowomgubo ocoliweyo, nowomnikelo wokudla, nowezonkana ezisicaba ezingenagwele, nowezojiweyo ngepani, nowento ekroqiweyo, nowokulinganisa konke ngokukha nangobude;

30nowokuma imisó ngemisó, bebulela kuye, bemdumisa uYehova, besenjenjalo nangokuhlwa;

31nowokunyusa onke amadini anyukayo kuYehova ngesabatha, nasekuthwaseni kwenyanga, nangamaxesha amisiweyo, ngenani ngokwesiko lazo, ngamaxesha onke, phambi koYehova;

32bagcine isigxina sentente yokuhlangana, nesigxina sengcwele, nesigxina soonyana baka-Aron, abazalwana babo, ukuba bakhonze endlwini kaYehova.

IziKronike I 24

Amaqela ababingeleli oonyana baka-Aron

1Ke oonyana baka-Aron, amaqela abo ibingala: oonyana baka-Aron nguNadabhi, noAbhihu, noElazare, noItamare.

2Bafa ooNadabhi noAbhihu phambi koyise, bengenanyana; baba ngababingeleli ooElazare noItamare.

3Wabahlula uDavide: yanguTsadoki koonyana bakaElazare, yanguAhimeleki koonyana bakaItamare, ngodidi lwabo ekonzweni yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Bafumaneka oonyana bakaElazare bebaninzi ngokweentloko zamagorha, ngaphezu koonyana bakaItamare. Babenjenje ukubahlula: koonyana bakaElazare, iintloko zezindlu zooyise zaba lishumi elinantandathu; koonyana bakaItamare, zasibhozo ngokwezindlu zooyise.

5Babahlula ngamaqashiso, aba baba naba; ngokuba abaphathi bendawo engcwele nabaphathi bakaThixo bebengabakoonyana bakaElazare, naphakathi koonyana bakaItamare.

6UShemaya unyana kaNataniyeli umbhali, wakubaLevi, wababhala phambi kokumkani, nabathetheli, noTsadoki umbingeleli, noAhimeleki unyana ka-Abhiyatare, neentloko zezindlu zooyise kubabingeleli nakubaLevi; indlu yoyise inye iphuma noElazare, inye iphuma noItamare.

7Laphuma iqashiso lokuqala noYoyaribhi,

8elesibini noYidaya, elesithathu noHarim,

9elesiné noSehorim, elesihlanu noMalekiya, elesithandathu noMiyamin,

10elesixhenxe noHakotse, elesibhozo noAbhiya,

11elesithoba noYeshuwa, eleshumi noShekaniya,

12eleshumi elinanye noEliyashibhi, eleshumi elinesibini noYakim,

13eleshumi elinesithathu noHupa, eleshumi elinesiné noYeshebhabhi,

14eleshumi elinesihlanu noBhilega, eleshumi elinesithandathu noImere,

15eleshumi elinesixhenxe noHezire, eleshumi elinesibhozo noApitsetse,

16eleshumi elinesithoba noPetaya, elamashumi omabini noYehezekeli,

17elamashumi omabini analinye noYakin, elamashumi omabini anesibini noGamuli,

18elamashumi omabini anesithathu noDelaya, elamashumi omabini anesiné noMahazeya.

19Lulo olo udidi lwabo, lwenkonzo yabo yokungena endlwini kaYehova, ngokwesiko labo elanikwa nguAron uyise, njengoko wawisa umthetho uYehova uThixo kaSirayeli.

20Ke koonyana bakaLevi abaseleyo ngaba: koonyana baka-Amram nguShubhayeli; koonyana bakaShubhayeli nguYedeya.

21NgoRehabhiya: koonyana bakaRehabhiya, intloko nguIshiya.

22KumaItsare nguShelomoti; koonyana bakaShelomoti nguYahati.

23Koonyana bakaHebron nguYeriya inkulu, noAmariya owesibini, noYahaziyeli owesithathu, noYekamam owesiné.

24Oonyana bakaUziyeli nguMika; koonyana bakaMika nguShamire.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Umkhuluwa kaMika nguIshiya; koonyana bakaIshiya nguZekariya.

26Oonyana bakaMerari nguMali noMushi, oonyana bakaYahaziya unyana wakhe.

27Kwaoonyana bakaMerari ngooYahaziya unyana wakhe, noShoham, noSakure, noIbri.

28NgoMali kuvele uElazare, ongabanga nanyana.

29NgoKishe: oonyana bakaKishe nguYerameli.

30Oonyana bakaMushi nguMali, noEdere, noYerimoti. Ngabo abo oonyana babaLevi, ngokwezindlu zooyise.

31Babawisela amaqashiso nabo kwanjengabazalwana babo, oonyana baka-Aron, phambi koDavide ukumkani, noTsadoki, noAhimeleki, neentloko zezindlu zooyise zababingeleli nezabaLevi: iinkulu zezindlu zooyise kwanjengabaninawa babo.

IziKronike I 25

Iimvumi zetempile nabagwali

1UDavide nabathetheli-mkhosi babahlulela inkonzo oonyana baka-Asafu noHeman noYedutun, baprofeta ngeehadi nangemirhubhe nangamacangci. Inani lawo la madoda asebenzela inkonzo yawo laba leli:

2Koonyana baka-Asafu: nguZakure, noYosefu, noNetaniya, noAsharela; oonyana baka-Asafu bephethwe nguAsafu, beprofeta, bephethwe ngokomyalelo wokumkani.

3KuYedutun: oonyana bakaYedutun nguGedaliya, noTseri, noYeshaya, noHashabhiya, noMatitiya, bebathandathu, bephethwe nguyise uYedutun, eprofeta ngohadi, ebulela edumisa uYehova.

4KuHeman: oonyana bakaHeman nguBhukiya, noMataniya, noUziyeli, noShebhuweli, noYerimoti, noHananiya, noHanani, noEliyata, noGidaleti, noRomati-ezere, noYoshebhekasha, noMaloti, noHotire, noMahaziyoti.

5Bonke aba babengoonyana kuHeman, imboni yokumkani emazwini kaThixo, ukuba aluphakamise uphondo. UThixo wamnika uHeman oonyana abalishumi elinabané, neentombi ezintathu.

6Bonke abo babephethwe nguyise ekuvumeni endlwini kaYehova, benamacangci, nemirhubhe, neehadi, bekhonza endlwini kaThixo, bephethwe ngokomyalelo wokumkani, noAsafu, noYedutun, noHeman.

7Inani labo kunye nabazalwana babo ababefundisiwe ukuvuma iingoma zikaYehova, bonke abakwaziyo, lalingamakhulu amabini anamanci asibhozo anesibhozo.

8Bawisa amaqashiso esigxina: njengoko anjalo omncinane, wanjalo omkhulu, okwaziyo kunye nofundiswayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Iqashiso lokuqala laphuma ngoAsafu, noYosefu: yena, nabazalwana bakhe, noonyana bakhe, baba lishumi elinababini; iqashiso lesibini noGedaliya: yena nabazalwana bakhe noonyana bakhe baba lishumi elinababini;

10elesithathu noZakure: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe, baba lishumi elinababini;

11elesiné noItseri: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

12elesihlanunoNetaniya: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

13elesithandathu noBhukiya: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

14elesixhenxe noYesharela: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

15elesibhozo noYeshaya: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

16elesithoba noMataniya: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

17eleshumi noShimehi: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

18eleshumi elinanye noAzareli: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

19eleshumi elinesibini noHashabhiya: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

20eleshumi elinesithathu noShubhayeli: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

21eleshumi elinesiné noMatitiya: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

22eleshumi elinesihlanu noYeromoti: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

23eleshumi elinesithandathu noHananiya: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

24eleshumi elinesixhenxe noYoshebhekasha: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

25eleshumi elinesibhozo noHanani; yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe, baba lishumi elinababini;

© 1975 Bible Society of South Africa.

26eleshumi elinesithoba noMaloti: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

27elamashumi omabini noEliyata: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

28elamashumi omabini analinye noHotire; yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

29elamashumi omabini anesibini noGidaleti: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

30elamashumi omabini anesithathu noMahaziyoti: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini;

31elamashumi omabini anesiné noRomamti-ezere: yena noonyana bakhe nabazalwana bakhe baba lishumi elinababini.

IziKronike I 26

Iindidi zamagosa etempile

1Ke amaqela abamasango: kumaKora yayinguMeshelemiya unyana kaKore, kubo oonyana baka-Asafu.

2KuMeshelemiya, oonyana yayingooZekariya owamazibulo, noYedihayeli owesibini, noZebhadiya owesithathu, noYateniyeli owesiné,

3noElam owesihlanu, noYohanan owesithandathu, noEliyohenayi owesixhenxe.

4KuObhedi-edom, oonyana yayinguShemaya owamazibulo, noYozabhadi owesibini, noYowa owesithathu, noSakare owesiné, noNataniyeli owesihlanu,

5noAmiyeli owesithandathu, noIsakare owesixhenxe, noPehuletayi owesibhozo; ngokuba uThixo ebemsikelele uObhedi-edom.

6Ke nakuShemaya, unyana wakhe, kwazalwa oonyana abalawula indlu kayise; ngokuba babengamagorha anobukroti.

7Oonyana bakaShemaya ngoo-Oteni, noRafayeli, no-Obhedi, noElizabhadi, kunye nabazalwana bakhe, amadoda anobukroti, uElihu noSemakiya.

8Bonke abo bakoonyana bakaObhedi-edom, bona noonyana babo, nabazalwana babo, amadoda avileyo, enamandla enkonzweni, bebengamashumi amathandathu anababini kuObhedi-edom.

9UMeshelemiya ube enoonyana nabazalwana, amadoda anobukroti, ilishumi elinesibhozo.

10KwanoHosa, wakoonyana bakaMerari, ubenoonyana: inguShimri inkulu (ngokuba waye engengowamazibulo, noko ke uyise wamenza inkulu),

© 1975 Bible Society of South Africa.

11noHilekiya owesibini, noTebhaliya owesithathu, noZekariya owesiné; bebonke
oonyana nabazalwana kuHosa baba lishumi elinabathathu.

12Loo maqela abamasango, iinkulu zamagorha, zaphathiswa izigxina kunye
nabazalwana babo, ukuba balungiselele endlwini kaYehova.

13Bawisa amaqashiso, ngomncinane nangomkhulu ngokufanayo, ngokwezindlu
zooyise, isango ngesango.

14Iqashiso elingasempumalanga laphuma noShelemiya. Ke uZekariya unyana wakhe,
umphakathi oqiqileyo, bamwisela amaqashiso, laphuma iqashiso lakhe
lilelangasentla;

15elikaObhedi-edom laba lelangasezantsi; eloonyana bakhe laba lelovimba.

16ElooShupim noHosa laba lelangasentshonalanga, kunye nesango leShalekete
emendweni onyukayo, umlindo umalunga nomlindo.

17Ngasempumalanga babebathandathu abaLevi; ngasentla bebané imihla ngemihla;
ngasezantsi bebané imihla ngemihla; kovimba baba ngababini ngababini.

18Emaphandleni ngasentshonalanga babané emendweni, bababini ngaphandle.

19Ngawo lawo amaqela abamasango, koonyana bamaKora, nakoonyana bakaMerari.

20Ke abaLevi, abazalwana babo, baphatha ubuncwane bendlu kaThixo, nobuncwane
bezinto ezingcwele.

21Oonyana bakaLadan, bengoonyana bamaGershon alunge kuLadan, iintloko
zezindlu zooyise zakwaLadan umGershon: nguYehiyeli.

22Koonyana bakaYehiyeli, nguZetam noYoweli umninawa wakhe abaphethe
ubuncwane bendlu kaYehova.

23Kuma-Amram, kumaItsare, kumaHebron, kumaUziyeli:

24uShebhuweli, unyana kaGershom unyana kaMoses, ebeyingànga yobuncwane.

25Abazalwana bakhe bakwaEliyezere nguRehabhiya unyana wakhe, noYeshaya,
unyana wakhe, noYoram unyana wakhe, noZikri unyana wakhe, noShelomoti unyana
wakhe.

26Lo Shelomoti nabazalwana bakhe baphathiswa bonke ubuncwane bezinto
ezingcwele, abezingcwalisile uDavide ukumkani, neentloko zezindlu zooyise,
nabathetheli bamawaka nabamakhulu, nabathetheli bomkhosi.

27Okwemfazwe nokwamaxhoba, kwangcwaliselwa ukuba kulungise indlu kaThixo.

28Zonke izinto abezingcwalisile uSamuweli imboni, noSawule unyana kaKishe,
noAbhinere unyana kaNere, noYowabhi unyana kaTseruya, zonke izinto
abezingcwalisile nabani, zaba phantsi kwesandla sikaShelomoti nabazalwana bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29KumaItsare, uKenaniya noonyana bakhe baphathiswa umsebenzi wangaphandle kwaSirayeli, wababhali nabagwebi.

30KumaHebron, uHashabhiya nabazalwana bakhe, amakroti aliwaka elinamakhulu asixhenxe, babephethe umsebenzi wokuvelela amaSirayeli anganeno kweYordan ngasentshonalanga, emsebenzini wonke kaYehova, nasenkonzweni yokumkani.

31KumaHebron uYeriya ebeyintloko (kumaHebron ngokweenzalo zawo ngokooyise. Ngomnyaka wamashumi omané wobukumkani bukaDavide, kwafunwa, kwafunyanwa kuwo amagorha anabukortie Yazere yaseGiliyadi).

32Nabazalwana bakhe, amakroti angamawaka amabini anamakhulu asixhenxe, ooyise bezindlu, uDavide ukumkani wabenza abaphathi bamaRubhen namaGadi nesiqingatha sesizwe sakwaManase, ezintweni zonke zikaThixo, nasezintweni zokumkani.

IziKronike I 27

Ukucwangciswa komkhosi kaDavide

1Oonyana bakaSirayeli ngokwenani labo, iintloko zezindlu zooyise, nabathetheli bamawaka nabamakhulu, nababhali babo, ababelungiselela kukumkani emicimbini yonke yamaqela ngamaqela: angénayo naphumayo iinyanga ngeenyanga, ezinyangeni zonke zomnyaka, liqela linye, lalingamashumi amabini anamané amawaka.

2Iqela lokuqala ngenyanga yokuqala laliphethwe nguYashobheham unyana kaZabhediyeli; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka;

3koonyana bakaPeretse, ibinguye oyintloko yabathetheli bonke bemikhosi ngenyanga yokuqala.

4Iqela lenyanga yesibini laliphethwe nguDodayi umAhowa, ingànga yeqela lakhe inguMikeloti; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

5Umthetheli wesithathu womkhosi ngenyanga yesithathu ibinguBhenaya, unyana kaYoyada umbingeleli, eyintloko; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

6Ngulo Bhenaya waye eligorha kumashumi amathathu, ephethe amashumi omathathu lawo; eqeleni lakhe inguAmizabhadi unyana wakhe.

7Owesiné ngenyanga yesiné ibinguAsaheli umninawa kaYowabhi, inguZebhadiya unyana wakhe emva kwakhe; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

8Owesihlanu umthetheli ngenyanga yesihlanu ibinguShamuti umIzra; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Owesithandathu ngenyanga yesithandathu ibinguIra unyana kaIkeshe, waseTekowa;
eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

10Owesixhenxe ngenyanga yesixhenxe ibinguHeletse umPelon, wakoonyana
bakaEfrayim; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

11Owesibhozo ngenyanga yesibhozo ibinguSibhekayi umHusha, wakumaZera; eqeleni
lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

12Owesithoba ngenyanga yesithoba ibinguAbhiyezere waseAnatoti,
wakumaBhenjamin; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

13Oweshumi ngenyanga yeshumi ibinguMaharayi umNetofa wakumaZera; eqeleni
lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

14Oweshumi elinamnye ngenyanga yeshumi elinanye ibinguBhenaya umPiraton,
wakoonyana bakaEfrayim; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

15Oweshumi elinesibini ngenyanga yeshumi elinesibini ibinguHeledayi umNetofa,
kaOteniyeli; eqeleni lakhe ibingamashumi amabini anamané amawaka.

16Ke izizwe zakwaSirayeli zaphathwa ngaba: kumaRubhen ingànga ibinguEliyezere
unyana kaZikri; kumaSimon nguShefatiya unyana kaMahaka;

17kubaLevi nguHashabhiya unyana kaKemuweli;

18kwa-Aron nguTsadoki; kwesakwaYuda nguElihu, wakubazalwana bakaDavide;
kwesakwaIsakare nguOmri unyana kaMikayeli;

19kwesakwaZebhulon nguIshemaya unyana kaObhadiya; kwesakwaNafetali
nguYerimoti unyana ka-Azeriyeli;

20koonyana bakaEfrayim nguHosheya unyana ka-Azaziya; kwisiqingatha sesizwe
sikaManase nguYoweli unyana kaPedaya;

21kwisiqingatha sikaManase eGiliyadi nguIdo unyana kaZekariya;
kwesakwaBhenjamin nguYahasiyeli unyana ka-Abhinere;

22kwesakwaDan nguAzareli unyana kaYeroham. Ngabo abathetheli bezizwe
zakwaSirayeli.

23UDavide akalithabathanga inani labaminyaka imashumi mabini bezelwe,
nabangaphantsi; ngokuba uYehova wathi uya kuwandisa amaSirayeli
njengeenkwenkwezi zezulu.

24UYowabhi unyana kaTseruya walinga ukubala, akagqiba; afikelwa buburhalarhume
amaSirayeli ngenxa yoko; àlangeniswa inani engxelweni yemicimbi yemihla
yokumkani uDavide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Obephethe ubuncwane bokumkani nguAzemavete unyana ka-Adiyeli; obephethe ubuncwane obukoovimba endle, nasemizini, nasemizaneni, nasezinqabeni ezinde, nguYonatan unyana kaUziya.

26Obephethe abenza umsebenzi wokulima amasimi nguEzeri unyana kaKelubhi.

27Obephethe izidiliya nguShimehi umRama. Obephethe izisele zewayini yasezidiliyeni nguZabhedi umShifemoti.

28Obephethe iminquma nemithombe ebisezintilini nguBhahalihanan, umGedere. Obephethe izisele zeoli nguYowashe.

29Obephethe iinkomo ezidla eSharon nguShitrayi umSharon. Obephethe iinkomo ezisezintilini nguShafati unyana ka-Adelayi.

30Obephethe iinkamela nguObhili umIshmayeli. Obephethe iimazi zamaesile nguYedeya umMeronoti.

31Obephethe impahla emfutshane nguYazizi umHagri. Bonke abo bebengabaphathi beempahla ezizezokumkani uDavide.

32UYonatan, uyisekazi kaDavide, ubengumphakathi, eyindoda enokuqonda, engumbhali yena. UYehiyeli unyana kaHakemon ubenoonyana bokumkani.

33UAhitofele ubengumphakathi wokumkani. UHushayi umArki ubelikholwane lokumkani.

34Emveni koAhitofele ibinguYehoyada unyana kaBhenaya, noAbhiyatare. Umthetheli-mkhosi wokumkani ibinguYowabhi.

IziKronike I 28

UDavide uthetha neenkokeli zabantu

1UDavide wababizela ndawonye bonke abathetheli bamaSirayeli, abathetheli bezizwe nabathetheli bamaqela ngamaqela abalungiselela ukumkani nabathetheli-mawaka nabathetheli-makhulu, namagosa empahla yonke, nabemfuyo yokumkani neyoonyana bakhe, kunye nababusi namagorha, nento yonke eligorha elinobukroti, ukuba beze eYerusalem.

2Wesuka wema ngeenyawo uDavide ukumkani, wathi: Ndiphulaphuleni, bazalwana bam, bantu bam. Mna, kwaye kusentliziyweni yam ukuyakhela indlu yokuhlala ityeya yomnqophiso kaYehova, isihlalo seenyawo zikaThixo wethu, ndalungisela ukwakha;

3koko uThixo wathi kum, Uze ungalakheli ndlu igama lam, ngokuba uyindoda yemfazwe, uphalazé igazi elininzi.

4Ke wandinyula uYehova, uThixo kaSirayeli, endlwini yonke kabawo, ukuba ndibe ngukumkani kumaSirayeli ngonaphakade; ngokuba unyulé uYuda ukuba abe

© 1975 Bible Society of South Africa.

yingànga, endlwini kaYuda unyulé indlu kabawo, koonyana bakabawo ukholwé ndim, ukuba andenze ukumkani kumaSirayeli onke.

5Nakoonyana bam bonke (ngokuba undinike oonyana abaninzi uYehova), unyulé uSolomon unyana wam, ukuba ahlale etroneni yobukumkani bukaYehova kumaSirayeli.

6Wathi kum, USolomon, unyana wakho, nguye oya kwakha indlu yam neentendelezo zam; ngokuba ndizinyulele yena ukuba abe ngunyana kum, ndibe nguyise kuye mna;

7ndibuzinzise ubukumkani bakhe kude kuse ephakadeni, ukuba úthe waqinisela ukuyenza imithetho yam namasiko am, njengoko kunjalo namhla.

8Ngoko ke ndiyaniyala emehlweni amaSirayeli onke, ibandla likaYehova, nasezindlebeni zoThixo wethu: gcinani niquqele kuyo yonke imithetho kaYehova uThixo wenu, ukuze nilimé eli lizwe lihle, nilishiye libe lilifa koonyana benu emva kwenu, kude kuse ephakadeni.

9Ke wena Solomon, nyana wam, uze umazi uThixo kayihlo, umkhonze ngentliziyo epheleleyo, nangomphefumlo ovumayo; ngokuba uYehova uyazingxoka zonke iintliziyo, akuqonde konke ukuyila kweengcinga zabantu. Ukuba uthe wamfuna, wófunyanwa nguwe; ukuba uthe wamshiya, wókulahla mpela.

10Uze ulumke ke; ngokuba uYehova ukunyule ukuba wakhe indlu ibe yeyengcwele. Yomelela uyenze.

UDavide unikela uSolomon umlinganiso wetempile

11UDavide wamnika uSolomon unyana wakhe isilinganiso sevaranda, nesezindlu zayo, nesoovimba bayo, nesamagumbi ayo aphezulu, nesamagumbi ayo aphakathi, nesendlu yokucamagusa;

12nesilinganiso seento zonke abenazo engcingeni yakhe: eseentendelezo zendlu kaYehova, nesamagumbi onke ngeenxa zonke, nesamagumbi obuncwane bendlu kaThixo, awobuncwane bezinto ezingcwele;

13nesamaqela ababingeleli nabaLevi, nesomsebenzi wonke wenkonzo yendlu kaYehova, neseempahla zonke zenkonzo yendlu kaYehova;

14nesezinto zegolide, ngokobunzima begolide yeempahla zonke zeenkonzo ngeenkonzo; neseempahla zonke zesilivere, ngokobunzima beempahla zonke zeenkonzo ngeenkonzo;

15nobunzima beziphatho zezibane zegolide, nobezibane zazo zegolide, ngokobunzima besiphatho ngesiphatho, nobezibane zazo; nobeziphatho zesilivere ngokobunzima besiphatho, nobezibane zazo, ngokwenkonzo yesiphatho ngesiphatho sezibane;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16negolide ngokobunzima beetafile zokucwangcisa izonka, betafile ngetafile, nesilivere yeetafile zesilivere.

17Wamnika nesilinganiso seefolokhwe, nesezitya zokutshiza, neseendebe zegolide ecocekileyo; neseendebe zegolide, ngokobunzima bendebe ngendebe neseendebe zesilivere ngokobunzima bendebe ngendebe;

18nesesibingelelo sesiqhumiselo segolide ehluziweyo, ngokobunzima; nesilinganiso senqwelo, seekerubhi zegolide, ezolula amaphiko azo, zisithelisa ityeya yomnqophiso kaYehova.

19Yonke loo nto, watsho uDavide, yonke imisebenzi yokulinganisa úndiqondisile ngokubhala okuvela esandleni sikaYehova, seza phezu kwam.

20Wathi uDavide kuSolomon unyana wakhe, Yomelela ukhaliphe, wenze. Musa ukoyika, musa ukuqhiphuka umbilini; ngokuba uYehova uThixo, uThixo wam, unawe; akayi kukuyekela, akayi kukushiya, ude uwugqibe wonke umsebenzi wenkonzo yendlu kaYehova.

21Nanga ke amaqela ababingeleli, nawabaLevi bomsebenzi wonke wendlu kaThixo. Banawe kuwo wonke umsebenzi, bonke abaya kubunika ngokuqhutywa yintliziyo ubulumko bomsebenzi wonke; nabathetheli nabantu bonke bowaphulaphula amazwi akho onke.

IziKronike I 29

Ukunikela kwabantu ngokwesicelo sikaDavide

1Wathi uDavide ukumkani kwibandla lonke, USolomon unyana wam, okuphela konyuliweyo nguThixo, mncinane, uthambile; ke umsebenzi mkhulu, ngokuba ibhotwe eli asilelomntu, lelikaYehova uThixo.

2Ke, ngamandla am onke indlu kaThixo wam ndiyilungisele igolide yezinto zegolide, isilivere yezesilivere, ubhedu lwezobhedu, isinyithi sezesinyithi, imithi yezemithi, namatye ebherilo, nafakwayo, namatye okuhombisa, naziimfakamfele, namatye onke anqabileyo, namatye emarmore emhlophe, into eninzi.

3Kananjalo ekubeni ilikholo kum indlu kaThixo wam, ndinenqobo yegolide nesilivere, endiyimisele indlu kaThixo wam, engaphandle kwayo yonke endiyilungisele indlu engcwele;

4amawaka amathathu eetalente zegolide yasegolideni yakwaOfire, amawaka asixhenxe eetalente zesilivere ehluziweyo yokwaleka iindonga zezindlu;

5ukuba ibe yeyezinto ngezinto zegolide, ibe yeyezinto ngezinto zesilivere, ibe yeyemisebenzi yonke yesandla seengcibi. Ngubani na ke oqhutywa yintliziyo ukuzimisela namhla kuYehova?

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Banikela ke ngokuqhutywa yintliziyo abathetheli bezindlu zooyise, nabathetheli bezizwe zakwaSirayeli, nabathetheli bamawaka nabamakhulu, nabathetheli bomsebenzi wokumkani.

7Banikela kwinkozo yendlu kaThixo igolide yaziitalente ezingamawaka amahlanu needarike ezilishumi lamawaka; nesilivere yaziitalente ezingamawaka alishumi, nobhedu lwaziitalente ezingamawaka alishumi elinesibhozo, nesinyithi saziitalente ezingamawaka alikhulu.

8Abo ke, kwàfumaneka kubo amatye anqabileyo, bawanikela ebuncwaneni bendlu kaYehova, esandleni sikaYehiyeli umGershom.

9Bakuvuyela abantu ukunikela kwabo ngokuqhutywa yintliziyo; ngokuba banikela ngokuqhutywa yintliziyo ephelelisileyo kuYehova. Kananjalo uDavide ukumkani wavuya ngovuyo olukhulu.

Umbulelo kaDavide nokufa kwakhe

10UDavide wambonga uYehova phambi kwebandla lonke; wathi uDavide, Mawubongwe wena, Yehova, Thixo kaSirayeli, ubawo wethu, kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni.

11Bobákhò, Yehova, ubukhulu, namandla, nozuko, noloyiso, nendili. Ewe, konke okusezulwini nokusehlabathini kokwakho; bobakho, Yehova, ubukumkani; ùphakamile wayintloko yeento zonke.

12Ubutyebi nozuko luvela kuwe, ulawula zonke izinto; asesandleni sakho amandla nobugorha; kusesandleni sakho ukukhulisa nokomeleza zonke izinto.

13Ke ngoko, Thixo wethu, sinokubulela kuwe, sidumise igama lakho elibekekileyo.

14Ngokuba ndingubani na mna, bangoobani na abantu bam, ukuba side sibe namandla okunika ngokuqhutywa yintliziyo njengoku? Ngokuba zivela kuwe zonke izinto; sikunika okuvele esandleni sakho.

15Ngokuba singabaphambukeli phambi kwakho, silundwendwe njengoobawo bethu bonke; injengesithunzi imihla yethu ehlabathini apha, kungekho themba lakuhlala.

16Yehova Thixo wethu, yonke le ngxokolo, sìyilungisele ukulakhela indlu igama lakho elingcwele, ivela esandleni sakho, yeyakho yonke.

17Ndiyazi, Thixo wam, ukuba uyayicikida intliziyo; ukholiswa kokuthe tye. Mna ke, ekuthini tye kwentliziyo yam, ndizinike ngokuqhutywa yintliziyo zonke ezi zinto. Kaloku abantu bakho aba bakhoyo apha, ndibone ngovuyo benikela kuwe ngokuqhutywa yintliziyo.

18Yehova, Thixo ka-Abraham, noIsake, noSirayeli, oobawo bethu, kúgcine ngonaphakade oko ekuyileni kweengcinga zeentliziyo zabantu bakho, uyibhekise kuwe intliziyo yabo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

19uSolomon unyana wam umnike intliziyo ephelelisileyo, yokugcina imithetho yakho, nezingqino zakho, nemimiselo yakho, ayenze yonke, alakhe eli bhotwe ndililungiseleleyo.

20Wathi uDavide kwibandla lonke, Khanibonge uYehova uThixo wethu. Labonga ke ibandla lonke uYehova uThixo wooyise, bathoba, baqubuda kuYehova nakukumkani.

21Babingelela kuYehova imibingelelo, banyusa amadini anyukayo kuYehova kwakusa ngengomso, iinkunzi ezintsha zeenkomo zaliwaka, iinkunzi zeegusha zaliwaka, iimvana zaliwaka, neminikelo yawo ethululwayo, nemibingelelo yoxolo emininzi, ngenxa yamaSirayeli onke.

22Badla basela ngaloo mini phambi koYehova ngovuyo olukhulu. USolomon unyana kaDavide bamenza ukumkani ngokwesibini; bamthambisa phambi koYehova ukuba abe yingànga, noTsadoki abe ngumbingeleli.

23Wahlala ke uSolomon etroneni kaYehova, engukumkani esikhundleni sikaDavide uyise, wenempumelelo; ambeka onke amaSirayeli.

24Bonke abathetheli, namagorha, kwanoonyana bonke bokumkani uDavide, basilulamela isandla sikaSolomon ukumkani.

25UYehova wamenza mkulu uSolomon, wamphakamisa emehlweni amaSirayeli onke, wamnika indili yobukumkani engabangakho kookumkani bonke bamaSirayeli ababengaphambi kwakhe.

26Ke kaloku uDavide, unyana kaYese, waye engukumkani wamaSirayeli onke.

27Imihla awaye engukumkani kumaSirayeli ibiyiminyaka emashumi mané; eHebron wayengukumkani iminyaka esixhenxe, eYerusalem wayengukumkani iminyaka emashumi mathathu anamithathu.

28Wafa ke, eyingwevu enkulu, ehambisekile ebudaleni, enobutyebi nozuko; uSolomon, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

29Izinto zikaDavide ukumkani, ezokuqala nezokuphela, nanzo zibhaliwe emicimbini kaSamuweli imboni, nasémicimbini kaNatan umprofeti, nasemicimbini kaGadi imboni;

30kunye nobukumkani bakhe bonke, nobugorha bakhe, nezinto ezamhlelayo yena, namaSirayeli, nezikumkani zonke zamazwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IziKronike II

IziKronike II 1

USolomon uzinyulela ubulumko; ubutyebi bakhe

1USolomon, unyana kaDavide, womelela ebukumkanini bakhe; uYehova uThixo
wakhe waba naye, wamenza mkhulu, wamphakamisa.

2Wathetha uSolomon kumaSirayeli onke, kubathetheli bamawaka nabamakhulu,
nakubagwebi, kwizikhulu zonke, kumaSirayeli onke, kwiintloko zezindlu zooyise.

3Baya ke ooSolomon nebandla lonke elo esigangeni esibe siseGibheyon; ngokuba
yabe ikhona intente yokuhlangana kaThixo, awayenzayo uMoses umkhonzi kaThixo
entlango.

4Ke yona ityeya kaThixo wayeyinyusile uDavide eKiriyati-yeharim, wayisa kuloo
ndawo abeyilungisele yona uDavide; ngokuba wayeyimisele intente eYerusalem.

5Isibingelelo sobhedu, abesenzile uBhetsaleli unyana kaUri, unyana kaHuri, sasilapho
phambi komnquba kaYehova; bamquqela uYehova ooSolomon
nebandla kwisibingelelo eso,

6Wenyusa khona uSolomon esibingelelweni sobhedu phambi koYehova, esibe
singasententeni yokuhlangana, wenyusa kuso amadini anyukayo aliwaka.

7UThixo wabonakala ngobo busuku kuSolomon, wathi kuye, Cela into, ndikuphe.

8Wathi uSolomon kuThixo, Wena wenzé kuDavide ubawo inceba enkulu, wandenza
ukumkani esikhundleni sakhe.

9Ke kaloku, Yehova Thixo, malinyaniseke ilizwi lakho owalenza kuDavide ubawo;
ngokuba wena undenzé ukumkani wabantu abaninzi njengothuli lomhlaba.

10Ndínike kaloku ubulumko nokwazi, ndiphume ndingene phambi kwaba bantu;
ngokuba ngubani na onokubalawula aba bantu bakho bangaka?

11Wathi uThixo kuSolomon, Ngenxa enokuba loo nto ibisentliziyweni yakho,
akwacela ubutyebi, nenzuzo, nozuko, nobomi beentshaba zakho; kananjalo akwacela
imihla emininzi, wasuka wazicelela ubulumko nokwazi, ukuze ubalawule abantu bam,
endikwenze ukumkani kubo:

12ùbunikiwe ubulumko nokwazi; ndiya kukunika ubutyebi, nenzuzo, nozuko,
ekungabangakho unjalo kookumkani ababephambi kwakho, ekungayi kubakho
unjalo emva kwakho.

13Wabuya ke uSolomon esigangeni esibe siseGibheyon, weza eYerusalem, esuka
phambi kwentente yokuhlangana, waba ngukumkani kumaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14USolomon wahlanganisa iinqwelo zokulwa namahashe akhwelwayo; waba newaka elinamakhulu amané eenqwelo zokulwa, namawaka alishumi elinamabini amahashe akhwelwayo; wazibeka emizini yeenqwelo, nakukumkani eYerusalem.

15Ukumkani wayenza isilivere negolide yaninzi njengamatye eYerusalem, nemisedare wayenza yanjengemithombe esesihlanjeni, ukuba mininzi.

16Ukuphuma kwamahashe abengakaSolomon eYiputa, lathi igqiza labathengela ukumkani, lathabatha igqiza lawo ngenani elithile.

17Baphuma nenqwelo eYiputa, bayithenga ngamakhulu amathandathu eeshekele zesilivere, nehashe ngekhulu elinamanci mahlanu. Benjenjalo ke bona ngokwabo ukubathuthela amahasheookumkani bonke bamaHeti nookumkani bama-Aram.

IziKronike II 2

Imicimbi kaSolomon ngokwakhiwa kwetempile

1USolomon wacinga ukulakhela indlu igama likaYehova, nokubakhela indlu ubukumkani bakhe.

2USolomon wamisa amashumi osixhenxe amawaka amadoda angabathwali, namashumi asibhozo amawaka amadoda angabaqingqi bamatye, nangabasebenzi bemithi, ezintabeni; nabongameli bawo abangamawaka amathathu anamakhulu mathandathu.

3Wathumela uSolomon kuHiram ukumkani waseTire, wathi, Njengoko wakwenzayo kuDavide ubawo, wathumela kuye imisedare yokuzakhela indlu yokuba ahlale kuyo, yènjenjalo nakum.

4Yabona, ndilakhela indlu igama likaYehova uThixo wam, ukuba ingcwaliselwe yena, kuqhunyiselwe phambi kwakhe isiqhumiso esiqholiweyo, kucwangciswe ngamaxesha onke ukucwangciswa kwezonka, kunyuswe amadini anyukayo kusasa nangokuhlwa, ngeesabatha, nasekuthwaseni kwenyanga, nangamaxesha amisiweyo nguYehova uThixo wethu; yeyaphakade loo nto kumaSirayeli.

5Indlu endiyakhayo inkulu; ngokuba mkhulu uThixo wethu koothixo bonke.

6Ngubani na onamandla okumakhela indlu; ngokuba izulu, nezulu lawo amazulu, alimlingene? Ndingubani na ke mna, ukuba ndimakhele indlu, ingába yeyokuqhumisela phambi kwakhe kodwa?

7Ndíthumele ke ngoko indoda enobugcisa ukusebenza ngegolide, nangesilivere, nangobhedu, nangesinyithi, nangemisonto emfusa nebomvu nemsi, ekwaziyo ukukrola ndawonye nabalumkileyo abakum kwaYuda naseYerusalem, abalungiswáyo nguDavide ubawo.

8Ndíthumele nemisedare, nemisipres, nemialgumi, evela eLebhanon; ngokuba ndiyazi mna ukuba abakhonzi bakho bayakwazi ukugawula imithi eLebhanon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Yabona abakhonzi bam bohamba nabakhonzi bakho, bandilungisele imithi emininzi;
ngokuba indlu endiyakhayo inkulu ngokubalulekileyo.

10Yabona ábaqingqi abo nabasebenzi bemithi, ábakhonzi bakho abo, ndobanika
ingqolowa ukuba ibe kukudla, iikore ezingamawaka angamashumi mabini, nerhasi
iikore ezingamawaka angamashumi mabini, neebhate zewayini ezingamawaka
angamashumi mabini, neebhate zeoli ezingamawaka angamashumi mabini.

11UHiram ukumkani waseTire wathumela kuSolomon ngokubhala, wathi, UYehova,
ngokubathanda kwakhe abantu bakhe, ukumisile ukuba ube ngukumkani kubo.

12Wathi uHiram, Makabongwe uYehova, uThixo kaSirayeli, owenza izulu nehlabathi,
omnikileyo uDavide ukumkani unyana olumkileyo, owaziyo, oqiqayo, oqondayo, oya
kumakhela indlu uYehova, nendlu yobukumkani bakhe.

13Ngoko ndithumela indoda eligcisa, eyaziyo, eqondayo, inkunkqele uHuram,

14unyana wentokazi yasezintombini zakwaDan. Uyise ngumfo waseTire, okwaziyo
ukusebenza ngegolide, nangesilivere, nangobhedu, nangesinyithi, nangamatye,
nangemithi, nangemisonto emfusa nemsi, nangelinen ecikizekileyo, nangemisonto
ebomvu, nokukrola konke, nokuyila zonke iintlobo zomsebenzi awuphathisiweyo,
ndawonye nezilumko zakho, nezilumko zenkosi yam, uDavide uyihlo.

15Ingqolowa ke, nerhasi, neoli, newayini, ethethe ngazo inkosi yam, mayizithumele
kubakhonzi bayo.

16Ke thina sogawula imithi eLebhanon njengokufuna kwakho konke, siyizise kuwe
eYafo ngokuyidadisa elwandle, uyinyuse wena, uyise eYerusalem.

17USolomon wawabala onke amadoda angawasemzini, abe esezweni lamaSirayeli,
emva kokubala awawabala ngako uDavide uyise; afumaneka elikhulu elinamanci
amahlanu amawaka, elinesithathu samawaka, anamakhulu amathandathu.

18Wamisa amashumi asixhenxe amawaka kuwo aba ngabathwali; namashumi
asibhozo amawaka aba ngabasebenzi bemithi, nabaqingqi bamatye ezintabeni;
namawaka amathathu anamakhulu amathandathu aba ngabongameli bokusebenzisa
abantu.

IziKronike II 3

Ukwakhiwa kwetempile

1USolomon waqala ukuyakha indlu kaYehova eYerusalem, entabeni yeMoriya, apho
uYehova wabonakala khona kuDavide uyise, endaweni awayilungisayo uDavide,
esandéni sikaOrnan umYebhusi.

2Waqala ukwakha ngenyanga yesibini, ngowesibini umhla, ngomnyaka wesiné
wobukumkani bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Siso esi isiseko awasibekayo uSolomon ekuyakheni kwakhe indlu kaThixo; ubude iikubhite ngokomlinganiso omdala bebuziikubhite ezimashumi mathandathu; ububanzi bebuziikubhite ezimashumi mabini.

4Ivaranda, ebingaphambi kobude bendlu, ibiziikubhite ezimashumi mabini, ingangobubanzi bendlu, nokuphakama kwayo kwakuziikubhite ezilikhulu elinamanci mabini; wayaléka ngaphakathi ngegolide ecocekileyo.

5Indlu enkulu wayaléka ngemisipres, wayaléka ke yona ngegolide entle, wenza kuyo amasundu nezidanga.

6Wayivathisa indlu ngamatye anqabileyo ukuyihombisa; igolide leyo ibiyigolide yaseParvayim.

7Wayaléka indlu, imiqadi, nemigubasi, neendonga zayo, neengcango zayo, ngegolide; wakrola iikerubhi ezindongeni.

8Wenza indlu yengcwele kangcwele: ubude bayo, ngangobubanzi bendlu, bebuziikubhite ezimashumi mabini, nobubanzi bayo bebuziikubhite ezimashumi mabini; wayaléka ngegolide entle, ekwiitalente ezimakhulu mathandathu.

9Ubunzima bezikhonkwane bebuziishekele ezimashumi mahlanu zegolide. Wawaleka ngegolide amagumbi aphezulu.

10Wenza endlwini yengcwele kangcwele iikerubhi ezimbini; zakrolwa ukusetyenzwa kwazo; wazaleka ngegolide.

11Amaphiko eekerubhi ubude bawo bebuziikubhite ezimashumi mabini; iphiko elinye beliziikubhite ezintlanu, lada laya kufikelela eludongeni lwendlu; nelinye iphiko beliziikubhite ezintlanu, ukuya kufikelela ephikweni leyesibini ikerubhi.

12Iphiko lenye ikerubhi beliziikubhite ezintlanu, ukuya kufikelela eludongeni lwendlu; nelesibini iphiko beliziikubhite ezintlanu, ukuya kuhlangana nephiko lenye ikerubhi.

13Amaphiko ezo kerubhi oluka iikubhite ezimashumi mabini; zema ngeenyawo, zikhangelise ubuso kuyo indlu.

14Wawenza umkhusane ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo; wenza iikerubhi kuwo.

15Wenza phambi kwendlu iintsika zambini: zaziikubhite ezimashumi mathathu anantlanu ubude bazo; ingqukuva esemantloko azo ibiziikubhite ezintlanu.

16Wenza izidanga emqaleni, wazibeka emantloko eentsika; wenza ikhulu leerharnate, wazibeka ezidangeni.

17Wazimisa iintsika phambi kwetempile, enye yangasekunene, enye yangasekhohlo; wathi igama leyasekunene nguZinzisayo, negama leyasekhohlo nguMandlakuye.

IziKronike II 4

© 1975 Bible Society of South Africa.

Impahla yetempile

1Wenza isibingelelo sobhedu: baziikubhite ezimashumi mabini ubude baso, baziikubhite ezimashumi mabini ububanzi baso, kwaziikubhite ezilishumi ukuphakama kwaso.

2Wenza ulwandle olutyhidiweyo: lwaziikubhite ezilishumi ukusuka kolunye udini, uye kolunye udini lwalo; lwayinqila ngeenxa zonke, lwaziikubhite ezintlanu ukuphakama kwalo; waziikubhite ezimashumi mathathu umtya ojikeleyo kulo ngeenxa zonke.

3Yangumfuziselo wamathangazana ngaphantsi kodini ngeenxa zonke, alujikeleza ngeenxa zonke: alishumi ekubhitini, aluzunguleza ulwandle, yamibini imikrozo yamathangazana, ityhidiwe ekutyhidweni kwalo.

4Ulwandle lwema phezu kweenkomo ezilishumi elinambini: ezintathu zibheke entla, ezintathu zibheke entshonalanga, ezintathu zibheke ezantsi, ezintathu zibheke empumalanga; ulwandle lubekwe phezu kwazo ngaphezulu, imiva yazo yonke isinge phakathi.

5Ubungqingqwa balo bebungangobubanzi besandla; udini lwalo belwenziwe lwanjengodini lwendebe, lwaneentyantyambo zeenyibiba; lwaye lungena iibhate ezimawaka mathathu.

6Wenza izitya zokuhlambela zalishumi; wabeka zazihlanu ngasekunene, zazihlanu ngasekhohlo, ukuze kuhlanywe kuzo, kuhlanjululwe into yomsebenzi wedini elinyukayo kuzo; ke lona ulwandle belulolokuze ababingeleli bahlambe kulo.

7Wenza iziphatho zezibane zegolide zalishumi ngokwesiko lazo, wazimisa etempileni: zazihlanu ngasekunene, zazihlanu ngasekhohlo.

8Wenza iitafile ezilishumi, wazimisa etempileni: zantlanu ngasekunene, zantlanu ngasekholo. Wenza ikhulu lezitya zokutshiza zegolide.

9Wenza intendelezo yababingeleli, nentendelezo enkulu, neengcango zentendelezo; wazaleka iingcango zazo ngobhedu.

10Walubeka ulwandle ngecala lasekunene layo indlu, lwabheka ngasezantsi.

11UHuram wenza iimbiza, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza. UHuram wagqiba ukuwenza umsebenzi, abewenzela ukumkani uSolomon endlwini kaThixo:

12iintsika zombini, neembumba, neengqukuva ezibe zisemantloko eentsika zombini, neminatha yomibini yokuzunguleza iimbumba zombini zeengqukuva, ezibe zisemantloko eentsika;

13neerharnate ezimakhulu mané zeminatha yomibini; yamibini imikrozo yeerharnate mnatheni mnye, yokuzunguleza iimbumba ezimbini zeengqukuva, ezibe zisezintsikeni zombini.

14Wenza iinqwelwana; wenza nezitya zokuhlambela ezinqwelwaneni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ulwandle lwalunye, lwaneenkomo ezilishumi elinambini ngaphantsi kwalo.

16Neembiza, nemihlakulwana, neefolokhwe, ezo mpahla ke zonke inkunkqele uHuram wazenzela uSolomon, zizezendlu kaYehova, ngobhedu olukhazimlisiweyo.

17Ukumkani wazityhidela kummandla waseYordan emhlabeni oludongwe, phakathi kweSukoti neTseredata.

18Wazenza uSolomon zonke ezo mpahla, zaninzi kakhulu; bada ubunzima bobhedu olo ababa nakufunyanwa.

19Wazenza uSolomon zonke iimpahla zendlu kaThixo, nesibingelelo segolide, neetafile ebe zinezonka zokubonisa,

20neziphatho ezinezibane zazo, ngegolide ethe shinyi, ukuze zivuthe ngokwesiko phambi kwendawo yezihlabo;

21neentyantyambo, nezibane, nezifinyiso zegolide, yona iyigolide eyonke;

22nezitshetshe, nezitya zokutshiza, neenkamba, neengcedevu zegolide ethe shinyi. Umnyango ke wendlu, iingcango zawo ezingaphakathi zengcwele kangcwele, neengcango zendlu yetempile, zaba zezegolide.

IziKronike II 5

1Wagqitywa ke wonke umsebenzi awawenzela indlu kaYehova uSolomon. USolomon wazingenisa izinto abezingcwalisile uDavide uyise, nesilivere, negolide, nempahla yonke, wazibeka ebuncwaneni bendlu kaThixo.

Ukusiwa kwetyeya etempileni

2Waza uSolomon wawabizela ndawonye amadoda amakhulu akwaSirayeli, neentloko zonke zezizwe, nezikhulu zezindlu zooyise zakoonyana bakaSirayeli, eYerusalem, ukuba bayinyuse ityeya yomnqophiso kaYehova emzini kaDavide; yiZiyon ke leyo.

3Abizelwa ndawonye kukumkani onke amadoda akwaSirayeli emthendelekweni lowo wenyanga yesixhenxe.

4Eza ke onke amadoda amakhulu akwaSirayeli. Bayithwala abaLevi ityeya, bayinyusa ityeya,

5nentente yokuhlangana, neempahla zonke zengcwele, ezibe zisententeni, bazinyusa ababingeleli nabaLevi.

6Ke ukumkani uSolomon, nebandla lonke lamaSirayeli, elibe lihlanganiselwe kuye phambi kwetyeya, babingelela impahla emfutshane neenkomo ezingenakubalwa, ezingenakulinganiswa ukuba zininzi kwazo.

7Bayingenisa ababingeleli ityeya yomnqophiso kaYehova endaweni yayo, endaweni yezihlabo endlwini, engcweleni kangcwele, phantsi kwamaphiko eekerubhi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8ngokuba iikerubhi zaye ziwolule amaphiko phezu kwendawo yetyeya; iikerubhi zayisithelisa ityeya nezibonda zayo ngaphezulu.

9Zazizide izibonda, zibonakala iincam zezibonda, zivelile etyeyeni phambi kwendawo yezihlabo, àzabonakala ngaphandle; zisekhona unanamhla.

10Kwakungekho nto etyeyeni, yayingaloo macwecwe mabini kuphela, wawabekayo kuyo uMoses eHorebhe, oko uYehova wanqophisana noonyana bakaSirayeli ekuphumeni kwabo eYiputa.

11Kwathi ekuphumeni kwababingeleli engcweleni (ngokuba bonke ababingeleli abafumanekáyo babezingcwalisile; akaba nakugcinwa amaqela;

12nabaLevi abaziimvumi, bonke bephela bona aba, ooAsafu, noHeman, noYedutun, noonyana babo, nabazalwana babo, bambethe ilinen ecikizekileyo, benamacangci nemirhubhe neehadi, bema ngasempumalanga esibingelelweni, benekhulu elinamanci mabini lababingeleli bevuthela ngamaxilongo);

13kwathi ke abavutheli bamaxilongo neemvumi bavakalisa njengamntu mnye, ngazwi-nye, bedumisa, bebulela kuYehova. Bathi ke bakuphakamisa ilizwi ngamaxilongo, nangamacangci, nangeempahla zokuvuma, nangokumdumisa uYehova, besithi, Úlungile, inceba yakhe ingunaphakade: yesukaindlu yazala lilifu lendlu kaYehova;

14ababingeleli ababa nakuma balungiselele, ngenxa yelifu; ngokuba ubuqaqawuli bukaYehova bayizalisa indlu kaThixo.

IziKronike II 6

Umthandazo kaSolomon wokunikezela itempile

1Waza wathi uSolomon, UYehova wathi uya kuhlala esithokothokweni.

2Mna ke ndikwakhele indlu yokuhlala, indawo yokuba uhlale ngonaphakade.

3Wee guqugu ukumkani ngobuso, walisikelela lonke ibandla lakwaSirayeli; lonke ibandla lakwaSirayeli lema.

4Wathi: Makabongwe uYehova uThixo kaSirayeli, owathethayo ngomlomo wakhe kuDavide ubawo, wakuzalisa ngesandla sakhe, esithi,

5Kususela kwimini endabakhuphayo abantu bam ezweni lamaYiputa, andinyulanga mziezizweni zonke zakwaSirayeli wokwakha indlu, yokuba igama lam libe kuyo; andinyulanga ndoda yokuba yingànga yabantu bam amaSirayeli;

6ndanyula iYerusalem, ukuba igama lam libe khona; ndanyula uDavide ukuba abe phezu kwabantu bam amaSirayeli.

7Kwaye kukho entliziyweni kaDavide ubawo ukulakhela indlu igama likaYehova, uThixo kaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wathi uYehova kuDavide ubawo, Ngenxa enokuba kwakukho entliziyweni yakho
ukuthi ulakhele indlu igama lam, walungisa ngokuthi kubekho entliziyweni yakho
oko;

9noko ke indlu yona ayisayi kwakhiwa nguwe. Unyana wakho ophuma esinqeni
sakho, nguye oya kulakhela indlu igama lam.

10Ulimisile ke uYehova ilizwi lakhe awalithethayo; ndivelile esikhundleni sikaDavide
ubawo, ndahlala etroneni yakwaSirayeli, njengoko wakuthethayo uYehova;
ndalakhela indlu igama likaYehova uThixo kaSirayeli;

11ndayibeka khona ityeya, apho ukhona umnqophiso kaYehova, awawenzayo
noonyana bakaSirayeli.

12Wema ke uSolomon phambi kwesibingelelo sikaYehova, phambi kwebandla lonke
lakwaSirayeli, wazolula izandla zakhe

13(ngokuba uSolomon wayenzé itheko lobhedu, walibeka esazulwini sentendelezo,
laziikubhite ezintlanu ubude balo, iikubhite ezintlanu ububanzi balo, iikubhite
ezintathu ukuphakama kwalo; wema phezu kwalo, waguqa ngamadolo phambi
kwebandla lonke lamaSirayeli, wazolulela ezulwini izandla zakhe);

14wathi: Yehova, Thixo kaSirayeli, akukho Thixo unjengawe emazulwini
nasehlabathini; ùbagcinelayo umnqophiso nenceba abakhonzi bakho, abahamba
phambi kwakho ngentliziyo yabo yonke;

15wena umgcineleyo umkhonzi wakho uDavide ubawo oko wakuthethayo kuye,
wakuthetha ngomlomo wakho, wakuzalisa ngesandla sakho, njengoko kunjalo
namhla.

16Kaloku, Yehova, Thixo kaSirayeli, mgcinele umkhonzi wakho, uDavide ubawo, oko
wakuthethayo kuye, usithi, Ebusweni bam akuyi kunqunyukelwa ndoda yakuhlala
etroneni yakwaSirayeli: ukuba kodwa bathe oonyana bakho bayigcina indlela yabo,
bahamba ngomyalelo wam, njengokuba uhambile wena phambi kwam.

17Kaloku, Yehova, Thixo kaSirayeli, makanyaniseke amazwi akho, owawathethayo
kumkhonzi wakho uDavide.

18Gxebe, uThixo angáde ahlale nabantu emhlabeni na? Yabona izulu, izulu lawo
amazulu, alikulingene; hina ke, yona le ndlu ndiyakhileyo!

19Noko ke kúnonelele ukuthandaza komkhonzi wakho nokutarhuzisa kwakhe,
Yehova Thixo wam, ukuphulaphule ukumemelela nokuthandaza athandaza ngako
umkhonzi wakho phambi kwakho;

20ukuba amehlo akho akhangele kule ndlu imini nobusuku, kwindawo othe ùya
kulibeka kuyo igama lakho, uphulaphule umthandazo athandaza ngawo umkhonzi
wakho kule ndawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Phulaphula ukutarhuzisa komkhonzi wakho, nabantu bakho amaSirayeli, abaya kuthandaza ngako kule ndawo; uve ke wena endaweni ohlala kuyo emazulwini, uve ke, uxolele.

22Xa athe umntu wona ummelwane wakhe, wathwaliswa isifungo, wafungiswa, weza wafunga phambi kwesibingelelo sakho kule ndlu:

23yiva ke wena emazulwini, wenze ugwebe kubakhonzi bakho, umbuyisele ongendawo, uyibeke indlela yakhe entlokweni yakhe; umgwebele olilungisa, umnike ngokobulungisa bakhe.

24Ukuba bathe abantu bakho amaSirayeli boyiswa ziintshaba zabo kuba bekonile, baza babuya balivuma igama lakho, bathandaza, batarhuzisa phambi kwakho kule ndlu:

25yiva ke wena emazulwini, usixolele isono sabantu bakho amaSirayeli, ubabuyisele emhlabeni owawunika bona nooyise.

26Xa lithe izulu lavalwa, akwabakho mvula kuba bekonile, baza bathandaza bekule ndawo, balivuma igama lakho, babuya esonweni sabo, ngokuba ubacinezele:

27yiva ke wena emazulwini, usixolele isono sabakhonzi bakho, abantu bakho amaSirayeli, ngokuba ubafundisa indlela elungileyo abaya kuhamba ngayo, unise imvula ezweni lakho, olinike abantu bakho ukuba libe lilifa.

28Xa kuthe kwabakho indlala elizweni, xa kuthe kwabakho indyikitya yokufa, xa kuthe kwabakho imbabala, nexoshomba, neenkumbi ezinqunquthayo; xa zithe iintshaba zabangqinga elizweni, emizini yabo; nokuba sisiphi isibetho, nokuba sisiphi isifo esithe sabakho;

29ukuthandaza nokutarhuzisa nokuba kukuphi, okuthe kwenziwa ngubani, nokuba ngabantu bakho bonke amaSirayeli, abathe basazi elowo isibetho sakhe, nesingqala sakhe, bazolulela kule ndlu izandla zabo;

30yiva ke wena emazulwini, endaweni ohlala kuyo, uxolele, umnike elowo ngokweendlela zakhe zonke, ngokuyazi kwakho intliziyo yakhe (ngokuba nguwe wedwa ozaziyo iintliziyo zoonyana babantu);

31ukuze bakoyike, bahambe ngeendlela zakho, yonke imihla abahleli ngayo ezweni owalinika oobawo.

32Kananjalo owolunye uhlanga, ongengowabantu bakho amaSirayeli, xa athe wavela ezweni elikude ngenxa yegama lakho elikhulu, nesandla sakho esithe nkqi, nengalo yakho eyolukileyo; beza bathandaza bekule ndlu:

33yiva ke wena emazulwini, endaweni ohlala kuyo, wenze ngako konke athe wakunqula owolunye uhlanga, ukuze zonke izizwe zehlabathi zilazi igama lakho, zikoyike njengabantu bakho amaSirayeli, zazi ukuba le ndlu ndiyakhileyo ibizwa ngegama lakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Xa bathe abantu bakho baphuma, baya kulwa neentshaba zabo, ngendlela obathume ngayo, bathandaza kuwe, bebhekisa kulo mzi uwunyulileyo, nakule ndlu ndiyakhele igama lakho:

35yiva ke emazulwini umthandazo wabo, nokutarhuzisa kwabo, ubagwebele.

36Xa bathe bakona (ngokuba akukho mntu ungoniyo), waba nomsindo, wabanikela elutshabeni, bathi abathimbi babathimba, babása ezweni nokuba likude, nokuba likufuphi;

37baza bakunyamekela oko ngentliziyo kwelo zwe bathinjelwe kulo, babuya batarhuzisa kuwe ezweni lababathimbileyo, besithi, Sonile, sagwenxa, senza okungendawo;

38babuyela kuwe ngentliziyo yabo yonke, nangomphefumlo wabo wonke, bekwelo zwe labathimbi ababathimbileyo, bathandaza, babhekisa elizweni labo owalinika ooyise, kuló mzi uwunyulileyo, kule ndlu ndiyakhele igama lakho:

39yiva ke emazulwini, endaweni ohlala kuyo, umthandazo wabo nokutarhuzisa kwabo, ubagwebele, ubaxolele abantu bakho abakonileyo.

40Kaloku, Thixo wam, makavuleke amehlo akho, iindlebe zakho zibazele ukuthandaza okukule ndawo.

41Kaloku, Yehova Thixo, phakamela endaweni yokuphumla kwakho, wena netyeya yamandla akho. Ababingeleli bakho, Yehova Thixo, mabambathe usindiso, abakho benceba bavuye ngokulungileyo.

42Yehova, Thixo, musa ukumlandulela umthanjiswa wakho; khumbula iinceba owazithembisa uDavide, umkhonzi wakho.

IziKronike II 7

Amadini kaSolomon namadinga eNkosi

1Ke kaloku akugqiba uSolomon ukuthandaza, umlilo wehla ezulwini, walidla idini elinyukayo nemibingelelo; ubuqaqawuli bukaYehova bayizalisa indlu.

2Ababingeleli ababa nakungena endlwini kaYehova, ngokuba ubuqaqawuli bukaYehova bayizalisa indlu kaYehova.

3Bonke oonyana bakaSirayeli, bakùbona ukuhla komlilo, nobuqaqawuli bukaYehova buphezu kwendlu, baguqa, babhekisa ubuso babo emhlabeni phezu kombekelelo wamatye, baqubuda, babulela kuYehova besithi, Úlungile, inceba yakhe ingunaphakade.

4Ukumkani nabantu bonke babingelela imibingelelo phambi koYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wabingelela ukumkani uSolomon umbingelelo weenkomo ezimawaka amashumi mabini anamabini, nempahla emfutshane engamawaka alikhulu elinamanci mabini. Bayisungula indlu kaThixo ukumkani nabantu bonke.

6Ababingeleli bema ezigxineni zabo; nabaLevi, beneempahla zokuvuma zikaYehova, awazenzayo uDavide ukumkani ukuba kubulelwe kuYehova, ngokuba ingunaphakade inceba yakhe, ekudumiseni kukaDavide ngezandla zabo. Ababingeleli bavuthela amaxilongo phambi kwabo, emi onke amaSirayeli.

7USolomon wawungcwalisa umphakathi wentendelezo ebiphambi kwendlu kaYehova; ngokuba ebenzé khona amadini anyukayo, namanqatha emibingelelo yoxolo; ngokuba isibingelelo sobhedu, awasenzayo uSolomon, besingenako ukulilingana lonke idini elinyukayo, nominikelo wokudla, namanqatha.

8USolomon wenza ke umthendeleko ngelo xesha iintsuku zasixhenxe enamaSirayeli onke, ibandla elikhulu kunene, elithabathele ekungeneni kweHamati, lesa emlanjeni waseYiputa.

9Benza ngomhla wesibhozo ingqungquthela; ngokuba ukusungulwa kwesibingelelo bakwenza iintsuku zasixhenxe, nomthendeleko iintsuku zasixhenxe.

10Ngomhla wamashumi mabini anantathu wenyanga yesixhenxe, wabandulula abantu; baya ezintenteni zabo bevuya, bechwayithile, ngenxa yokulunga awakwenzayo uYehova kuDavide, nakuSolomon, nakumaSirayeli abantu bakhe.

11Wayigqiba ke uSolomon indlu kaYehova nendlu yokumkani; nento yonke ekwathi qatha entliziyweni kaSolomon ukuba ayenze, endlwini kaYehova nasendlwini yakhe, wayiphumelelisa.

12Wabonakala uYehova kuSolomon ebusuku, wathi kuye, Ndikuvile ukuthandaza kwakho; ndizinyulele le ndawo ukuba ibe yindlu yokubingelela.

13Ukuba ndithe ndalivala izulu, akwabakho mvula, ukuba ndithe ndaziwisela umthetho iinkumbi, ukuba zilidle ilizwe, nokuba ndithe ndathumela ebantwini bam indyikitya yokufa;

14bathoba ke abantu bam, ábabizwa ngegama lam, bathandaza, bafuna ubuso bam, babuya ezindleleni zabo ezimbi: ndiya kuva mna emazulwini, ndibaxolele izono zabo, ndiliphilse ilizwe labo.

15Kaloku ovuleka amehlo am, iindlebe zam ziwubazele umthandazo wale ndawo.

16Kuba ngoku ndiyinyule, ndayingcwalisa le ndlu, ukuba libe kuyo igama lam kude kuse ephakadeni, abe khona amehlo am nentliziyo yam imihla yonke.

17Wena ke, ukuba ùthe wahamba phambi kwam, njengoko wáhamba ngako uDavide uyihlo, ukuba ukwenze konke endikumiseleyo, uyigcine imimiselo yam, namasiko am:

© 1975 Bible Society of South Africa.

18ndoyimisa itrone yobukumkani bakho, njengoko ndamenzela umnqophiso ngako
uDavide uyihlo, ndisithi, Akuyi kunqunyukelwa ndoda yakulawula kwaSirayeli.

19Ke, ukuba nithe nabuya umva, nayilahla imimiselo yam nemithetho yam,
endiyibeke phambi kwenu, naya nakhonza thixo bambi, nabanqula:

20ndobanyothula emhlabeni wam endibanike wona. Nale ndlu, ndìyingcwalisele
igama lam, ndoyilahla ebusweni bam, ndiyenze umzekeliso nento yentsini phakathi
kwezizwe zonke.

21Nale ndlu, noko iphezulu nje, bomangaliswa bonke abadlulayo kuyo, bathi, Yini na
ukuba uYehova enjenje kweli lizwe, nakule ndlu?

22Bathi ke, Kungenxa enokuba bamshiyayo uYehova uThixo wooyise, owabakhupha
ezweni lamaYiputa, babambelela thixweni bambi, babanqula, bakhonza bona;
kungenxa yoko wabuzìsayo bonke obu bubi phezu kwabo.

IziKronike II 8

Izakhiwo zikaSolomon neminye imisebenzi yakhe

1Kwathi ekupheleni kweminyaka emashumi mabini, abesakhé ngayo uSolomon indlu
kaYehova neyakhe indlu,

2imizi uHiram abeyinike uSolomon wayakha uSolomon, wababeka khona oonyana
bakaSirayeli.

3Waya uSolomon eHamati-tsobha, wayeyisa.

4Wákha iTademore entlango, nemizi yonke engoovimba, awayakhayo eHamati.

5Wákha neBhete-horon engasentla neBhete-horon engasezantsi, imizi enqatyisiweyo
leyo, ineendonga neengcango nemivalo;

6neBhahalati, nemizi yonke engoovimba abenayo uSolomon, nemizi yonke
yeenqwelo zokulwa, nemizi yabamahashe, nokulangazelela konke kukaSolomon,
awakulangazelelayo ukwakha eYerusalem, naseLebhanon, nasezweni lonke lolawulo
lwakhe.

7Bonke abantu abaseleyo kumaHeti, nama-Amori, namaPerizi, namaHivi,
namaYebhusi, ababe bengengabakwaSirayeli;

8koonyana babo abasala emva kwabo ezweni, abo babengagqitywanga ngoonyana
bakaSirayeli, uSolomon wabanyula ukuba bafakwe uviko, unanamhla.

9Koonyana bakaSirayeli uSolomon akenzanga makhoboka omsebenzi wakhe;
ngokuba babengamadoda okulwa, nabathetheli bakhe, nababusi bakhe, nabathetheli
beenqwelo zakhe zokulwa, nabamahashe bakhe.

10Abo bathetheli babengabongameli awayenabo ukumkani uSolomon;
bebengamakhulu amabini anamanci mahlanu, ababenobukhosi ebantwini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ke kaloku uSolomon wayinyusa intombi kaFaro emzini kaDavide, wayisa endlwini abeyakhele; ngokuba ubesithi, Akayi kuhlala umfazi wam endlwini kaDavide, ukumkani wamaSirayeli; ngokuba kungcwele, apho kungené khona ityeya kaYehova.

12Waza uSolomon wanyusa amadini anyukayo kuYehova esibingelelweni sikaYehova, abesakhele phambi kwevaranda;

13ukuba kunyuswe into yemini ngangemini yayo ngokomthetho kaMoses, ngeesabatha, nasekuthwaseni kwenyanga, nangamaxesha amisiweyo, izihlandlo ezithathu ngomnyaka, emthendelekweni wezonka ezingenagwele, nasemthendelekweni weeveki, nasemthendelekweni weminquba.

14Wawamisa ngokwesiko likaDavide uyise amaqela ababingeleli enkonzweni yawo; nabaLevi wabamisela ezigxineni zabo, ukuba badumise, balungiselele phambi kwababingeleli ngokwento yemini ngemini yayo, nabamasango ngokwamaqela abo kwisango ngesango; ngokuba ubunjalo umthetho kaDavide, umfo wakwaThixo.

15Àbatyeka emthethweni wokumkani kubabingeleli nakubaLevi ngemicimbi yonke nangobuncwane.

16Walungiswa ke wonke umsebenzi kaSolomon, kwada kwayiloo mini yasekwa ngayo indlu kaYehova, kwasa nasekugqityweni kwayo; yafezwa indlu kaYehova.

17Waza uSolomon waya e-Etsiyon-gebhere, nase-Eloti, elunxwemeni lolwandle ezweni lakwaEdom.

18UHiram wathumela kuye ngabakhonzi bakhe iinqanawa, nabakhonzi ababelwazi ulwandle; baya kunye nabakhonzi bakaSolomon eOfire, bathabatha khona amakhulu amané anamanci mahlanu eetalente zegolide, bayizisa kukumkani uSolomon.

IziKronike II 9

Utyelelo lokumkanikazi waseShebha; ubutyebi bukaSolomon nokufa kwakhe

1Ke kaloku ukumkanikazi waseShebha waluva udaba lukaSolomon, weza kumlinga uSolomon ngemibuzo elukhuni eYerusalem, enesihlwele esinzima kunene, neenkamela ezithwele ubulawu, negolide eninzi, namatye anqabileyo. Weza kuSolomon, wathetha naye konke okube kusentliziyweni yakhe.

2USolomon wamtyhilela onke amazwi akhe; akubangakho lizwi lifihlakeleyo kuSolomon, angàbanga nako ukumtyhilela lona.

3Wabubona ukumkanikazi waseShebha ubulumko bukaSolomon, nendlu abeyakhile;

4nokudla kwetafile yakhe, neendawo zokuhlala kwabakhonzi bakhe, nokuma kwabalungiseleli bakhe nezambatho zabo, nabangcamli bakhe nezambatho zabo, nezinyuko zakhe abe enyuka ngazo ukuya endlwini kaYehova; akwaba sabakho kuqina kwamxhelo kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wathi kukumkani, Libe liyinene ilizwi endaliva ezweni lam lezinto zakho, nobulumko bakho.

6Àndikholwanga ngamazwi abo, ndada ndeza, abona amehlo am; yabona, ndibe ndingaxelelwanga nesiqingatha esi sobuninzi bobulumko bakho; ùlugqithile udaba endibe ndiluvile.

7Anoyolo amadoda akho; banoyolo abakhonzi bakho, abemiyo phambi kwakho ngamaxesha onke, bebuva ubulumko bakho.

8Makabongwe uYehova uThixo wakho, okunoneleyo, wakubeka etroneni yakhe, ukuba ube ngukumkani kuYehova uThixo wakho, ngokuwathanda kukaThixo wakho amaSirayeli, ukuba awamise ngonaphakade; wakumisa waba ngukumkani kuwo, ukuba wenze okusesikweni nobulungisa.

9Ukumkanikazi wanika ukumkani ikhulu elinamanci amabini eetalente zegolide, nasebulawini into eninzi kunene, namatye anqabileyo; akuzanga kube sabakho bulawu bungangobo, ukumkanikazi waseShebha wàbunika ukumkani uSolomon.

10Kananjalo abakhonzi bakaHiram nabakhonzi bakaSolomon, abeza negolide bevela kwaOfire, beza nemialgumi namatye anqabileyo.

11Imialgumi leyo ukumkani wayenza izinyuko zendlu kaYehova, nezendlu yokumkani, neehadi, nemirhubhe yeemvumi; akuzanga kubonwe injalo ngaphambili ezweni lakwaYuda.

12Ke ukumkani uSolomon wamnika ukumkanikazi waseShebha konke ukuthanda kwakhe awakucelayo; kukodwa khona awakuzìsayo kukumkani. Wajika ke waya ezweni lakhe, yena nabakhonzi bakhe.

13Ke kaloku ukulinganiswa kwegolide, eyeza kuSolomon ngamnyaka mnye, kwaba ngamakhulu amathandathu anamanci amathandathu anesithandathu iitalente zegolide,

14iyodwa eyabarhwebi, nebiziswa ngabathengisi, neyookumkani bonke baseArabhi, neyamabamba elizwe, abezisa igolide nesilivere kuSolomon.

15Ukumkani uSolomon wenza amakhulu amabini amakhaka egolide engumkhando; zangamakhulu amathandathu iishekele zegolide engumkhando, awaleka ngazo khaka linye.

16Wenza amakhulu amathathu eengweletshetshe zegolide engumkhando; zangamakhulu amathathu iishekele zegolide, awaleka ngazo ngweletshetshe-nye. Ukumkani wazibeka endlwini yehlathi laseLebhanon.

17Ukumkani wenza netrone enkulu ngeempondo zeendlovu, wayaléka ngegolide engcwengiweyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Itrone leyo ibinezinyuko ezithandathu; itrone leyo ibinesihlalo seenyawo segolide, ezo nto zibambene nayo; kukho iingalo ngapha nangapha kwendawo yokuhlala, kumi iingonyama ezimbini ecaleni leengalo ezo;

19kumi iingonyama ezilishumi elinambini khona ezinyukweni ezithandathu, ngapha nangapha; akuzanga kwenziwe nto injalo ezikumkanini zonke.

20Yonke impahla yokusela yokumkani uSolomon yabe iyeyegolide, nempahla yonke yendlu yehlathi laseLebhanon yabe iyeyegolide ethe shinyi; isilivere ibingento yakwanto ngemihla kaSolomon.

21Ngokuba ukumkani ubeneenqanawa eziya eTarshishe ndawonye nabakhonzi bakaHiram; zeza kanye ngeminyaka emithathu iinqanawa ezo zaseTarshishe, zithwele igolide, nesilivere, neempondo zeendlovu, neentsimango, neepikoko.

22Wakhula ke ukumkani uSolomon ngaphezu kookumkani bonke bomhlaba ngobutyebi nangobulumko.

23Bonke ookumkani bomhlaba bafuna ubuso bukaSolomon, ukuba beve ubulumko bakhe, awayebubeke entliziyweni yakhe uThixo.

24Bazìsa elowo umnikelo wakhe, iimpahla zesilivere neempahla zegolide, nezambatho, nezikrweqe, nobulawu, namahashe, noondlebende, into yeminyaka ngeminyaka.

25USolomon wayenamawaka amané emikhombe yezitali zamahashe neenqwelo, neshumi elinamabini amawaka amahashe akhwelwayo; wawabeka emizini yeenqwelo, nakukumkani eYerusalem.

26Ubelawula ookumkani bonke, ethabathela kuwo uMlambo, azise ezweni lamaFilisti, ezisa nasemdeni waseYiputa.

27Ukumkani wayenza isilivere yanjengamatye eYerusalem, nemisedare wayenza yanjengemithombe esezihlanjeni, ukuba mininzi.

28Bazìsa kuSolomon amahashe evela eYiputa, evela emazweni onke.

29Ezinye izinto zikaSolomon, ezokuqala nezokugqibela, azibhalwanga na emicimbini kaNatan umprofeti, naseziprofetweni zika-Ahiya waseShilo, nasemibonweni kaIdo imboni, ngoYarobheham unyana kaNebhati?

30USolomon wayengukumkani kumaSirayeli onke eYerusalem iminyaka emashumi mané.

31USolomon walala kooyise, wangcwatyelwa emzini kaDavide uyise; uRehabheham, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

IziKronike II 10

URehabheham waliwa ngamaSirayeli ukuba abe ngukumkani

© 1975 Bible Society of South Africa.

1-2URehabheham waya kwaShekem; ngokuba amaSirayeli onke abeye kumenza ukumkani kwaShekem. Kwathi, akuva uYarobheham unyana kaNebhati (eseYiputa, apho wayebalekele khona ebusweni bukaSolomon ukumkani; ehleli uYarobheham eYiputa, bathumela bambiza),

3weza uYarobheham namaSirayeli onke, bathetha noRehabheham, besithi,

4Uyihlo wayenza nzima idyokhwe yethu; ke wena yénze lula inkonzo elukhuni kayihlo, nedyokhwe yakhe enzima awayibeka phezu kwethu, sikukhonze.

5Wathi kubo, Khanindikhwelele iintsuku zibe ntathu, nibuye nize kum. Bemka ke abantu.

6Ukumkani uRehabheham wacebisana namadoda amakhulu, abesakuma phambi koSolomon uyise oko ebesahleli, wathi, Ninika cebo lini na, ukuba ndibanike ilizwi aba bantu?

7Athetha ke kuye esithi, Ukuba uthe wanobubele kwaba bantu, wabakholisa, wathetha amazwi amahle kubo, bokukhonza yonke imihla.

8Walishiya icebo lamadoda amakhulu abemnike lona, wacebisana namadodana aziintanga zakhe, abemi phambi kwakhe.

9Wathi kuwo, Ninika cebo lini na nina, ukuba sibanike ilizwi aba bantu bathethileyo kum, besithi. Yénze lula idyokhwe awayibeka phezu kwethu uyihlo?

10Athetha ke naye amadodana aziintanga zakhe, esithi, Yithi kubantu abathethe kuwe, besithi, Uyihlo wayenza nzima idyokhwe yethu, yenze lula kuthi wena; yithi kubo, Ucikicane wam uya kuba nesibili kunesinqe sikabawo;

11ke, ekubeni ubawo ubenithwalise idyokhwe enzima, mna ke ndiya kongeza edyokhweni yenu; ubawo ubenibetha ngeentsontelo, ke mna ndiya kunibetha ngeekatsi.

12Baya ke ooYarobheham nabantu bonke kuRehabheham ngomhla wesithathu, njengoko wayethethe ngako ukumkani, esithi, Nòbuya nize kum ngomhla wesithathu.

13Ukumkani wabaphendula kalukhuni; ukumkani uRehabheham walishiya icebo lamadoda amakhulu.

14Wathetha kubo ngokwecebo lamadodana, esithi, Ubawo wayenza nzima idyokhwe yenu, mna ke ndiya kongeza kuyo; ubawo wanibetha ngeentsontelo, ke mna ndiya kunibetha ngeekatsi.

15Akabaphulaphulanga ke abantu ukumkani; ngokuba esi siphendu sibe siphuma kuThixo, ukuze uYehova alimise ilizwi lakhe, abelithethile ngoAhiya waseShilo kuYarobheham unyana kaNebhati.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Akùbona ke onke amaSirayeli ukuba ukumkani akawaphulaphuli, abantu bambuyisela ukumkani ilizwi elithi, Sinasabelo sini na kuDavide? Asinalifa kunyana kaYese; elowo makaye ententeni yakhe, maSirayeli; zíkhangelele ngoku indlu yakho, Davide. Aya ezintenteni zawo ke amaSirayeli onke.

17Ke oonyana bakaSirayeli, ababehleli emizini yakwaYuda, uRehabheham waba ngukumkani kubo.

18Ukumkani uRehabheham wathuma uAdoram, obephethe abafakwa uviko. Besuka oonyana bakaSirayeli, bamxuluba ngamatye, wafa. Ukumkani uRehabheham wakhawuleza waya kukhwela enqwelweni yakhe, ukuba asabele eYerusalem.

19Akreqa ke amaSirayeli endlwini kaDavide, unanamhla.

IziKronike II 11

URehabheham ulawula eYerusalem

1Weza uRehabheham eYerusalem, wabizela ndawonye indlu yakwaYuda neyakwaBhenjamin, ikhulu elinamanci asibhozo amawaka amadodana okulwa imfazwe, ukuba aye kulwa namaSirayeli, bubuyiselwe ubukumkani kuRehabheham.

2Lafika ilizwi likaYehova kuShemaya, umfo wakwaThixo, lisithi,

3Yitsho kuRehabheham unyana kaSolomon, ukumkani wakwaYuda, nakumaSirayeli onke, kwaYuda nakwaBhenjamin, ukuthi,

4Utsho uYehova ukuthi, Ize ningànyuki; ize ningàlwi nabazalwana benu. Buyani, aye elowo endlwini yakhe; ngokuba iphume kum le nto. Baliphulaphula izwi likaYehova, babuya ekuyeni kulwa noYarobheham.

5Wahlala uRehabheham eYerusalem, wákhe imizi yokunqabisa kwaYuda.

6Wákha iBhetelehem, ne-Etam, neTekowa,

7neBhete-tsure, neSoko, neAdulam,

8neGati, neMaresha, neZifi,

9neAdorayim, neLakishe, neAseka,

10neTsora, neAyalon, nowaseHebron, ekwaYuda nekwaBhenjamin, imizi enqatyisiweyo.

11Waziqinisa iinqaba, wabeka iingànga zamadoda kuzo, noovimba bokudla neoli newayini.

12Nakwimizi ngemizi yonke wabeka amakhaka, nezikhali; wayiqinisa kakhulu kunene. Aba kuye amaYuda namaBhenjamin.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ababingeleli nabaLevi ababekwelakwaSirayeli lonke bathelela kuye, bevela emideni yabo yonke.

14Ngokuba abaLevi bawashiya amadlelo abo, nemfuyo yabo, beza kwaYuda naseYerusalem; ngokuba uYarobheham noonyana bakhe babebakhuphile, ukuba bangabi ngababingeleli kuYehova;

15wazimisela ababingeleli bezigánga, nabamaxhonti, nabamathole awawenzáyo.

16Emva kwabo ke, ezizweni zonke zakwaSirayeli, bathi abazinikeláyo iintliziyo zabo ukumquqela uYehova uThixo kaSirayeli, beza kubingelela eYerusalem kuYehova, uThixo wooyise.

17Babuzinzisa ubukumkani bukaYuda, bamomeleza uRehabheham unyana kaSolomon iminyaka emithathu; ngokuba bahamba ngendlela kaDavide noSolomon iminyaka emithathu.

18Ke kaloku uRehabheham wazeka uMahalati, intombi kaYerimoti unyana kaDavide, noAbhihayile, intombi kaEliyabhi unyana kaYese;

19wamzalela oonyana: ooYehushe, noShemariya, noZaham.

20Emva kwakhe wazeka uMahaka intombi ka-Abhisalom; wamzalela uAbhiya, noAtayi, noZiza, noShelomiti.

21URehabheham wathanda uMahaka intombi ka-Abhisalom, ngaphezu kwabafazi bakhe bonke namashweshwe akhe (ngokuba ubenabafazi abalishumi elinesibhozo, namashweshwe angamashumi amathandathu; wazala oonyana abamashumi mabini anesibhozo, neentombi ezimashumi mathandathu).

22URehabheham wamisa uAbhiya unyana kaMahaka, ukuba abe yinkulu, abe yingànga phakathi kwabazalwana bakhe; ngokuba ubecinga ukumenza ukumkani.

23Wenza ngenqondo, wabathi saa oonyana bakhe bonke emazweni onke akwaYuda nakwaBhenjamin, emizini yonke enqatyisiweyo, wabanika ukudla okuninzi, wabafunela into eninzi yabafazi.

IziKronike II 12

UShishaki, ukumkani waseYiputa, uhlasela uYuda

1Kwathi bakubon' ukuba buzinzile ubukumkani bukaRehabheham, ákomelela, wawushiya umyalelo kaYehova, namaSirayeli onke kunye naye.

2Kwathi, ngomnyaka wesihlanu wokumkani uRehabheham, kwenyuka uShishaki ukumkani waseYiputa, wayingenela iYerusalem, ngokuba bebemenezile kuYehova;

3enewaka elinamakhulu amabini eenqwelo zokulwa, namawaka angamashumi omathandathu abamahashe, nabantu abangenakubalwa, abaphuma naye eYiputa, amaLubhi, namaSuki, namaKushi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wayithimba imizi enqatyisiweyo ekwaYuda, wafika naseYerusalem.

5Weza uShemaya umprofeti kuRehabheham, nakubathetheli bakwaYuda ababehlanganisene eYerusalem ngenxa kaShishaki, wathi kubo, Utsho uYehova ukuthi, Nina nandishiya, nam ndinishiyile, ndaninikela esandleni sikaShishaki.

6Bazithoba abathetheli bamaSirayeli nokumkani, bathi, Úlilungisa uYehova.

7Akubona uYehova ukuba bazithobile, lafika ilizwi likaYehova kuShemaya, lisithi, Bazithobile; andiyi kubonakalisa; ndiya kubanika ukusinda ixeshana, bungàthululelwa ubushushu bam eYerusalem ngesandla sikaShishaki.

8Noko boba ngabakhonzi kuye, ukuze bayazi inkonzo yam, nenkonzo yezikumkani zamazwe.

9Wenyuka ke ukumkani waseYiputa, wafika walwa neYerusalem, wabuthabatha ubuncwane bendlu kaYehova, nobuncwane bendlu yokumkani; wabuthabatha bonke; wazithabatha iingweletshetshe zegolide awazenzayo uSolomon.

10Ukumkani uRehabheham wenza iingweletshetshe zobhedu esikhundleni sazo, waziphathisa abathetheli bezigidimi, ezibe zigcina umnyango wendlu yokumkani.

11Ubesakuthi akungena ukumkani endlwini kaYehova, zize izigidimi ezo ziziphéthe, zize zizibuyisele egumbini lezigidimi.

12Wathi akuzithoba, umsindo kaYehova wabuya kuye, ukuba angàmtshabalalisi kuthi tu; kananjalo kwaYuda kwakukho izinto ezilungileyo.

13Waziqinisa ukumkani uRehabheham eYerusalem, waba ngukumkani; ngokuba uRehabheham ebeminyaka imashumi mané anamnye ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinesixhenxe engukumkani eYerusalem, umzi lowo wawunyulayo uYehova kwizizwe zonke zakwaSirayeli, ukuba alimise khona igama lakhe. Igama lonina belinguNahama, umAmonikazi.

14Wenza okubi, ngokuba ebengayibhekiselelanga intliziyo yakhe ukumquqela uYehova.

15Izinto zikaRehabheham, ezokuqala nezokugqibela, azibhalwanga na emicimbini kaShemaya umprofeti noIdo imboni, ngokokubhalwa kwemilibo yokuzalwa? Yayiziimfazwe phakathi koRehabheham noYarobheham imihla yonke.

16URehabheham walala kooyise, wangcwatyelwa emzini kaDavide; uAbhiya, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

IziKronike II 13

Ulawulo luka-Abhiya

1Ngomnyaka weshumi elinesibhozo wokumkani uYarobheham, uAbhiya waba ngukumkani kwaYuda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Waba neminyaka emithathu engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguMikaya, intombi kaUriyeli waseGibheha. Kwabakho imfazwe phakathi koAbhiya noYarobheham.

3UAbhiya wayiqala imfazwe ngempi yamagorha okulwa, engamakhulu amané amawaka ahleliweyo; uYarobheham naye wazakha izintlu zakhe zokulwa naye, zingamakhulu asibhozo amawaka ahleliweyo, angamagorha anobukroti.

4Wesuka wema uAbhiya entabeni yeTsemarim, ekweleentaba lakwaEfrayim, wathi, Ndiphulaphuleni, wena Yarobheham, nani maSirayeli nonke;

5aninakwazi na ukuba uYehova, uThixo kaSirayeli, ubukumkani kumaSirayeli wabunika uDavide ngonaphakade, yena noonyana bakhe, ngomnqophiso wetyuwa?

6Wesuka uYarobheham unyana kaNebhati, umkhonzi kaSolomon unyana kaDavide, wagwilika kwinkosi yakhe;

7wabuthela kuye amadoda angenabuntu, angamatshijolo, aziqinisa, amchasa uRehabheham unyana kaSolomon; uRehabheham engumfana ontliziyo ithambileyo, engomelele phambi kwabo.

8Ngoku ke nithi niya komelela phambi kobukumkani bukaYehova, obusesandleni soonyana bakaDavide; niyingxokolo eninzi nje, ninamathole egolide, awanenzelayo uYarobheham ukuba abe ngoothixo.

9Anibagxothanga yini na ababingeleli bakaYehova, oonyana baka-Aron, nabaLevi; nazenzela ababingeleli njengezizwe zamanye amazwe? bada bonke abo baza kuzimisela ngenkunzi elithole lenkomo, neenkunzi zeegusha ezisixhenxe, benziwa ababingeleli kwabangethixo.

10Ke thina, nguYehova uThixo wethu: asimshiyanga; ababingeleli abalungiselela kuYehova ngoonyana baka-Aron;

11nabaLevi basemsebenzini wabo, beqhumisela kuYehova ngamadini anyukayo imisó ngemisó, ukuhlwa ngokuhlwa, nangesiqhumiso esimnandi; nokucwangcisa izonka etafileni ehlambululekileyo; nesiphatho segolide, nezibane sazo zilunyekwa ukuhlwa ngokuhlwa; ngokuba thina siyasigcina isigxina sikaYehova uThixo wethu; ke nina nimshiyile.

12Niyabona, unathi eyintloko uThixo, nababingeleli bakhe banathi, namaxilongo okuduma, ukuba anivuse. Nyana bakaSirayeli, musani ukulwa noYehova uThixo wooyihlo; ngokuba aniyi kuba nampumelelo.

13Ke uYarobheham wazungulezisa abalaleli, ukuba baye ngasemva kwawo; baba ngaphambi kwamaYuda bona; abalaleli baba ngasemva kwawo.

14Abheka amaYuda, ayibona impi ingaphambili nangasemva kwawo. Akhala kuYehova, ababingeleli bevuthela amaxilongo; aduma onke amadoda akwa Yuda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kwathi ekudumeni kwamadoda akwaYuda, wesuka uThixo wabetha kuYarobheham namaSirayeli onke phambi koAbhiya namaYuda.

16Basaba oonyana bakaSirayeli ebusweni bamaYuda; uThixo wabanikela esandleni sawo.

17UAbhiya nabantu bakhe bababulala kakhulu; kwawa ababuleweyo kwaSirayeli amakhulu amahlanu amawaka amadoda ahleliweyo.

18Bathotywa ke oonyana bakaSirayeli ngelo xesha, bakhalipha oonyana bakaYuda; ngokuba bayama ngoYehova uThixo wooyise.

19UAbhiya wamsukela uYarobheham, wathimba kuye le mizi: iBheteli namagxamesi ayo, neYeshana namagxamesi ayo, ne-Efron namagxamesi ayo.

20Akaba saba namandla uYarobheham ngemihla ka-Abhiya. UYehova wambetha wafa.

21Waya esomelela ngokomelela uAbhiya, wazeka abafazi abalishumi elinabané, wazala oonyana abamashumi mabini anababini, neentombi ezilishumi elinantandathu.

22Ezinye izinto zika-Abhiya, neendlela zakhe, namazwi akhe, abhalwe ezincwadini zamabali omprofeti uIdo.

IziKronike II 14

Ulawulo luka-Asa

1UAbhiya walala kooyise; bamngcwabela emzini kaDavide; ke uAsa unyana wakhe waba ngukumkani esikhundleni sakhe. Ngemihla yakhe ilizwe lazola iminyaka yalishumi.

2UAsa wenza okulungileyo nokuthe tye emehlweni kaYehova uThixo wakhe.

3Wazisusa izibingelelo nezigánga zezithixo zolunye uhlanga; waziqhekeza izimiso zamatye, wabagawula ooAshera.

4Wathi kumaYuda makamquqele uYehova, uThixo wooyise, awenze umyalelo nomthetho.

5Wazisusa ke emizini yonke yakwaYuda izigánga, neentsika zelanga; bazola ubukukani phambi kwakhe.

6Wákha imizi enqatyisiweyo kwaYuda; ngokuba ilizwe belizolile, kungekho mfazwe ayilwayo ngaloo minyaka; ngokuba uYehova wayemphumzile.

7Wathi ke kumaYuda, Masiyakhe le mizi, siyijikeleze ngeendonga neenqaba ezinde, senze iingcango nemivalo, lisephambi kwethu nje ilizwe; ngokuba simquqele uYehova uThixo wethu samquqela, wasiphumza ke ngeenxa zonke. Bayakha baba nempumelelo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ke kaloku uAsa wayenempi ephatha amakhaka nezikhali: kwaYuda ingamakhulu amathathu amawaka; nakwaBhenjamin, abaphatha iingweletshetshe nabatyeda izaphetha babengamakhulu, amabini anamanci asibhozo amawaka. Bonke abo babengamagorha anobukroti.

9Kwaphuma kwaza kulwa nabo uZera umKushi, enempi eliwaka lamawaka, neenqwelo zokulwa ezimakhulu mathathu; wada weza eMaresha.

10Waphuma uAsa esiya kumhlangabeza, bákha izintlu emfuleni weTsefata eMaresha.

11UAsa wabiza kuYehova uThixo wakhe, wathi, Yehova, akukho bani ingenguwe onokunceda phakathi konamandla nongenawo. Síncede, Yehova, Thixo wethu; ngokuba sayamé ngawe, sizé kule ngxokolo egameni lakho. Yehova, ùnguThixo wethu, makangabi namandla umntu okumelana nawe.

12UYehova wawaxabela amaKushi phambi koAsa, naphambi kwamaYuda; asaba ke amaKushi.

13UAsa nabantu ababenaye bawasukela, bada besa eGerare; oyiswa amaKushi ngokokude angabi nakubuya aphethule; ngokuba aqotywa phambi koYehova, naphambi komkhosi wakhe; bemka nexhoba elininzi kunene.

14Bayingenela yonke imizi ngeenxa zonke eGerare; ngokuba yafikelwa kukunkwantyiswa nguYehova. Bayiphanga yonke imizi; ngokuba amaxhoba ayemaninzi kuyo.

15Batshabalalisa neentente zemfuyo, bathimba impahla emfutshane yaninzi, neenkamela; babuya ke baya eYerusalem.

IziKronike II 15

1UMoya kaThixo wamfikela uAzariya, unyana kaOdede.

2Waphuma, esiya kukhawulela uAsa, wathi kuye, Ndiphulaphuleni, Asa, nani nonke maYuda namaBhenjamin; uYehova unáni ekubeni ninaye; ukuba nithe namquqela, nomfumana; ukuba nithe namshiya, wonishiya nani.

3AmaSirayeli ayenemihla emininzi engenaThixo wenyaniso, engenambingeleli uyalayo, engenamthetho.

4Ke athi ekubandezelekeni kwawo, akubuyela kuYehova, uThixo kaSirayeli, ukuba amquqele, amfumana.

5Ngaloo maxesha kwakungekho luxolo kophumayo nakongenayo, zaba ziziphithiphithi ezikhulu kubemi bonke bamazwe.

6Uhlanga lwaqotywa luhlanga, umzi ngumzi; ngokuba uThixo wabadubaduba ngeembandezelo zonke.

7Ke nina yomelelani; mazingawi izandla zenu; ngokuba umsebenzi wenu unomvuzo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wathi uAsa, akuweva loo mazwi nesiprofeto sikaOdede umprofeti, womelela,
wazikhwelelisa zonke izinto ezinezothe ezweni lonke lakwaYuda nelakwaBhenjamin,
nasemizini abeyithimbile kweleentaba lakwaEfrayim; wasihlaziya isibingelelo
sikaYehova, esiphambi kwevaranda kaYehova.

9Wawahlanganisa onke amaYuda namaBhenjamin nabasemzini ababekuwo,
bakwaEfrayim, nabakwaManase, nabakwaSimon; ngokuba bagalela kuye
abakwaSirayeli babaninzi, bakubona ukuba uYehova uThixo wakhe unaye.

10Babuthelana ke eYerusalem ngenyanga yesithathu, ngomnyaka weshumi
elinesihlanu wobukumkani buka-Asa,

11babingelela kuYehova ngaloo mhla, bethabatha kumaxhoba ababeze nawo:
amakhulu asixhenxe eenkomo, namawaka asixhenxe empahla emfutshane.

12Benza umnqophiso wokumquqela uYehova, uThixo wooyise, ngentliziyo yabo
yonke, nangomphefumlo wabo wonke; bathi,

13Bonke abasukuba bengamquqeli uYehova, uThixo kaSirayeli, mababulawe,
kuthabathele komncinane kuse komkhulu; kuthabathele kwindoda kuse kwinkazana.

14Bafunga kuYehova ngezwi elikhulu, nangokuduma, nangamaxilongo, nangezigodlo.

15Asivuyela onke amaYuda isifungo eso; ngokuba afunga ngentliziyo yawo yonke,
amquqela ngemvume yawo yonke, amfumana; uYehova wawaphumza ngeenxa
zonke.

16Kananjalo ukumkani wamguzula uMahaka unina, ukuba angabi saba yinkosikazi;
ngokokuba wayemenzele uAshera isithixo esilisikizi. Waza uAsa wasixhaxha isithixo
sakhe, wasithi vithivithi, wasitshisa emlanjaneni oyiKidron.

17Ke izigánga àzisuswanga kwaSirayeli; kodwa yona intliziyo ka-Asa yabe igqibelele
yonke imihla yakhe.

18Wazingenisa izinto ezingcwele zikayise, nezinto zakhe ezingcwele, endlwini
kaThixo, isilivere, negolide, nempahla.

19Akwaba sabakho mfazwe, kwada kwaba ngumnyaka wamashumi amathathu
anesihlanu wobukumkani buka-Asa.

IziKronike II 16

1Ngomnyaka wamashumi omathathu anesithandathu wobukumkani buka-Asa,
wenyuka uBhahesha ukumkani wamaSirayeli, esiza kulwa namaYuda; wayakha
iRama, ukuze angavumi ukuba kuphume bani aye kuAsa ukumkani wakwaYuda.

2Wayirhola ke uAsa isilivere negolide ebuncwaneni bendlu kaYehova, nobendlu
yokumkani, wazithumela kuBhenhadade ukumkani wama-Aram, ohleli eDamasko,
esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kukho umnqophiso phakathi kwam nawe, phakathi kobawo noyihlo; nanko
ndikuthumele isilivere negolide; yiya uwaphule umnqophiso wakho noBhahesha
ukumkani wamaSirayeli, ukuba emke kum.

4UBhen-hadade wamphulaphula ukumkani uAsa, wathumela abathetheli bempi
abenabo emizini yakwaSirayeli, wayithimba i-Iyon, nowakwaDan, neAbhele-mayim,
nemizi yonke engoovimba yakwaNafetali.

5Kwathi, akuva uBhahesha, wayeka ukuyakha iRama, wawuyeka umsebenzi wakhe.

6UAsa ukumkani wawathabatha onke amaYuda; awasusa amatye eRama, nemithi
yayo, awayesakha ngayo uBhahesha; wákha ke ngayo iGebha neMizpa.

7Ngelo xesha uHanani, imboni, weza kuAsa, ukumkani wamaYuda, wathi kuye,
Ekubeni wayama kukumkani wama-Aram, akwayama kuYehova uThixo wakho, ngoko
ke iphulukile esandleni sakho impi yokumkani wama-Aram.

8AmaKushi namaLubhi abengeyeyona impi ininzi, enento eninzi kunene yeenqwelo
zokulwa nabamahashe? Ukanti ngokuba wayama kuYehova, anikelwa esandleni
sakho.

9Ngokuba uYehova, amehlo akhe asingasinga ehlabathini lonke, ukuba azomelezele
abantliziyo ziphelele kuye. Wenza ubudenge ngale nto; ngokuba kususela ngoku
wòba neemfazwe.

10UAsa wayiqumbela imboni leyo, wayifaka endlwini yesitokisi; ngokuba wayeyijalele
ngale nto. UAsa wayicinezela inxenye yabantu ngelo xesha.

11Yabona, izinto zika-Asa, ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibhaliwe encwadini
yookumkani bakwaYuda nabakwaSirayeli.

12Ngomnyaka wamashumi omathathu anesithoba wobukumkani bakhe, uAsa
wayesifa ziinyawo, sada senyuka isifo sakhe; kananjalo esifeni sakhe akamquqelanga
uYehova, waquqela amagqirha.

13UAsa walala kooyise; wafa ngomnyaka wamashumi omané anamnye wobukumkani
bakhe.

14Bamngcwabela engcwabeni lakhe, awazimbelayo emzini kaDavide, bamlalisa
esililini esizele bubulawu, iintlobo ngeentlobo, ezenziwe ubuqholo ngobugcisa
babaqholi; bamenzela ibaso elikhulu kunene.

IziKronike II 17

Ulawulo lukaYehoshafati

1UYehoshafati, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe; womelela,
wawachasa amaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Wabeka imikhosi emizini yonke enqatyisiweyo yakwaYuda, wamisa iikampu elizweni lakwaYuda, nasemizini yakwaEfrayim, awayithimbayo uAsa uyise.

3UYehova wabo noYehoshafati; ngokuba wahamba ngeendlela zikaDavide uyise, ezokuqala zona; akabaquqela ooBhahali;

4ke waquqela uThixo kayise, wahamba ngemithetho yakhe; akahamba ngezenzo zakwaSirayeli.

5UYehova wabuzinzisa ubukumkani bakhe esandleni sakhe; onke amaYuda azisa iminikelo kuYehoshafati; waba nobutyebi nozuko ngokukhulu.

6Yaphakama intliziyo yakhe ezindleleni zikaYehova; kananjalo wazisusa izigánga nooAshera kwaYuda.

7Ngomnyaka wesithathu wokuba ngukumkani kwakhe, wabathumela abathetheli bakhe, uBhen-hayile, no-Obhadiya, noZekariya, noNataniyeli, noMikaya, ukuba bafundise emizini yakwaYuda;

8benabaLevi, uShemaya, noNetaniya, noZebhadiya, noAsaheli, noShemiramoti, noYehonatan, noAdoniya, noTobhiya, noTobhadoniya, abaLevi ke abo; benoElishama noYehoram ababingeleli.

9Bafundisa ke kwaYuda, benencwadi yomyalelo kaYehova, bayijikeleza imizi yonke yakwaYuda, bebafundisa abantu.

10Zonke izikumkani zamazwe ajikelezé amaYuda zangenelwa kukoyika uYehova, àzalwá noYehoshafati.

11NakumaFilisti babekho abazìsa iminikelo nemithwalo kuYehoshafati yesilivere; kananjalo ama-Arabhi ázisa kuye impahala emfutshane, amawaka asixhenxe anamakhulu asixhenxe eenkunzi zeegusha, namawaka asixhenxe anamakhulu asixhenxe eenkunzi zeebhokhwe.

12UYehoshafati waya eba mkhulu ngokuba mkhulu, wada wenyuka wákha kwaYuda iinqaba nemizi engoovimba.

13Waye enempahla eninzi emizini yakwaYuda; wayenamadoda okulwa, amagorha anobukroti, eYerusalem.

14Kuko oku ukulandelana kwawo ngokwezindlu zooyise: kwaYuda abathetheli bamawaka nguAdena umthetheli, enamakhulu amathathu amawaka amagorha anobukroti;

15nganeno kwakhe nguYehohanan umthetheli, enamakhulu amabini anamanci asibhozo amawaka;

16nganeno kwakhe nguAmasiya unyana kaZikri, owazinikela kuYehova ngokuqhutywa yintliziyo, enamakhulu amabini amawaka amagorha anobukroti.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17KumaBhenjamin nguEliyada, igorha elinobukroti, enamakhulu amabini amawaka axhobe izaphetha neengweletshetshe;

18nganeno kwakhe nguYozabhadi, enekhulu elinamanci asibhozo amawaka axhobele imfazwe.

19Ngabo abo babekhonza kukumkani; bebodwa abamisiweyo ngukumkani emizini enqatyisiweyo kwelakwaYuda lonke.

IziKronike II 18

1Ke uYehoshafati ube enobutyebi nozuko ngokukhulu, wazekelana noAhabhi.

2Wehla ekupheleni kweminyaka ethile, waya kuAhabhi kwaSamari. UAhabhi wamxhelela impahla emfutshane neenkomo ezininzi, waxhelela nabantu abenabo, wamcenga ukuba anyuke naye aye eRamoti yaseGiliyadi.

3Wathi uAhabhi ukumkani wakwaSirayeli kuYehoshafati ukumkani wakwaYuda, Wòhamba na nam, siye kulwa neRamoti yaseGiliyadi? Wathi kuye, Ndinjengawe, abantu bam banjengabantu bakho; soya nawe ekulweni.

4Wathi uYehoshafati kukumkani wakwaSirayeli, Khawubuzise elanamhla ilizwi likaYehova.

5Wabahlanganisa ke ukumkani wakwaSirayeli abaprofeti, amakhulu amané amadoda, wathi kubo, Siye kulwa na neRamoti yaseGiliyadi, ndiyeke, kusini na? Bathi, Nyuka, uThixo wóyinikela esandleni sokumkani.

6Wathi uYehoshafati, Akusekho mprofeti kaYehova na apha, sibuzise kuye?

7Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuYehoshafati, Kusekho indoda enye esingabuzisa ngayo kuYehova, ke mna ndiyithiyile; ngokuba ayiprofeti okulungileyo ngam, iprofeta okubi imihla yayo yonke; nguMikaya, unyana kaImla. Wathi uYehoshafati, Makangatsho ukumkani.

8Waza ukumkani wakwaSirayeli wabiza umbusi, wathi, Khawulezisa uMikaya unyana kaImla, eze apha.

9Ke ukumkani wakwaSirayeli noYehoshafati ukumkani wakwaYuda babehleli elowo etroneni yakhe, bambethe iingubo zabo, behleli ebaleni, ekungeneni esangweni lakwaSamari; bonke abaprofeti beprofeta phambi kwabo.

10Ke uZedekiya, unyana kaKenahana, wazenzela iimpondo zesinyithi, wathi, Utsho uYehova ukuthi, Ùya kuwangqula ngazo ezi ama-Aram, ude uwagqibe.

11Bonke abaprofeti benjenjalo ukuprofeta, besithi, Nyuka uye eRamoti yaseGiliyadi, ube nempumelelo; uYehova uya kuyinikela esandleni sokumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ke umthunywa obeye kubiza uMikaya, wathetha kuye esithi, Khawubone, amazwi abaprofeti athetha okuhle ngamlomo mnye kukumkani; ilizwi lakho makhe libe njengelabo, uthethe okuhle.

13Wathi uMikaya, Ehleli nje uYehova, athe wakuthetha uThixo wam, ndothetha kona.

14Wafika kukumkani; wathi ukumkani kuye, Mikaya, siye na eRamoti yaseGiliyadi ukuba silwe, ndiyeke, kusini na? Wathi, Nyuka ube nempumelelo; baya kunikelwa esandleni senu.

15Wathi ukumkani kuye, Makube zizihlandlo ezingaphi na ndikufungisa, ukuba ungàthethi nto kum, ingeyiyo nyaniso egameni likaYehova?

16Wathi yena, Ndiboné amaSirayeli onke elusali ezintabeni, njengempahla emfutshane engenamalusi. Wathi uYehova, Àbanankosi, mababuyele elowo endlwini yakhe enoxolo.

17Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuYehoshafati, Bendingatshongo na kuwe ukuthi, akayi kuprofeta okuhle ngam, koba kokubi?

18Wathi yena, Ngako oko, liveni ilizwi likaYehova: Ndimbonile uYehova ehleli etroneni yakhe, umi wonke umkhosi wasemazulwini ngasekunene kwakhe nangasekhohlo kwakhe.

19Wathi uYehova, Ngubani na oya kulukuhla uAhabhi, ukumkani wamaSirayeli, enyuke aye awe eRamoti yaseGiliyadi? Wejenje lo ukuthetha, wenjenje lo ukuthetha.

20Waphuma ke umoya, wema phambi koYehova, wathi, Ndomlukuhla mna.

21Wathi uYehova kuwo, Ngantoni na? Wathi wona, Ndophuma ndiye, ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni wabaprofeti bakhe bonke. Wathi yena, Mlukuhle ufeze; phuma uye, wenjenjalo.

22Uyabona kaloku uYehova ungenisé umoya wobuxoki emlonyeni wabo baprofeti bakho; uYehova uthethé okubi ngawe.

23Wesuka uZedekiya, unyana kaKenahana, wafika wambetha uMikaya esidleleni, wathi, Úgqithe ngayiphi na indlela uMoya kaYehova ukumka kum, ukuba aye kuthetha nawe?

24Wathi uMikaya, Khangela, ùya kubona ngaloo mini, ùya kuza uthungele amagumbi, uzímela.

25Wathi ukumkani wakwaSirayeli, Mthabatheni uMikaya, nibuye naye, nimse kuAmoni umphathi womzi, nakuYowashe unyana wokumkani.

26Nithi, Utsho ukumkani ukuthi, Mfakeni entolongweni lo, nimdlise isonka soxiniweyo, namanzi oxiniweyo, ndide ndibuye ndinoxolo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Wathi uMikaya, Ukuba uthe wabuya wabuya unoxolo, woba uYehova akathethanga ngam. Wathi, Yivani nonke, zizwe ziphela.

28Wenyuka ke ukumkani wakwaSirayeli noYehoshafati, ukumkani wakwaYuda, baya eRamoti yaseGiliyadi.

29Wathi ukumkani wakwaSirayeli kuYehoshafati, Ndiya kuzenza mntu wumbi, ndingene ekulweni; yambatha iingubo zakho wena. Wazenza mntu wumbi ukumkani wakwaSirayeli, bangena ekulweni.

30Ke ukumkani wakwa-Aram wabawisela umthetho abathetheli beenqwelo zokulwa abenazo, wathi, Ize ningalwi nomncinane, nomkhulu; yilwani nokumkani wakwaSirayeli yedwa.

31Kwathi, bakumbona uYehoshafati abathetheli beenqwelo zokulwa, bathi bona, Ngukumkani wakwaSirayeli; bamrhawula, beza kulwa naye. Wakhala uYehoshafati; uYehova wamnceda, uThixo wabasonga kuye.

32Kwathi bakubona abathetheli beenqwelo zokulwa, ukuba àsingukumkani wakwaSirayeli, babuya ekumsukeleni.

33Wathi umntu watyeda isaphetha efunisela, watola ukumkani wakwaSirayeli ekuhlanganeni kwengubo yentsimbi namasondo ayo. Wathi kumqhubi wenqwelo yakhe yokulwa, Jika izandla zakho, undikhuphele ngaphandle komkhosi, ngokuba ndingxwelerhiwe.

34Ukulwa kwenyuka loo mini. Ukumkani wakwaSirayeli wazimisa enqwelweni phambi kwama-Aram kwada kwahlwa; wafa ukutshona kwelanga.

IziKronike II 19

1Wabuya uYehoshafati ukumkani wakwaYuda, waya endlwini yakhe eYerusalem enoxolo.

2Waphuma uYehu, unyana kaHanani, imboni, esiya kumkhawulela. Wathi kukumkani uYehoshafati, Kukuthini na ukuba uncede ongendawo, ubathande abathiyi bakaYehova? Kungoko bugalelekileyo kuwe uburhalarhume obuphuma kuYehova.

3Noko kambe kukho izinto ezintle ezifumanekileyo kuwe; ngokuba ubatshisile ooAshera ezweni, wayisingisela intliziyo yakho ekumquqeleni uThixo.

4Wahlala uYehoshafati eYerusalem; wabuya waphuma, wahamba phakathi kwabantu, wathabathela eBher-shebha wesa ezintabeni zakwaEfrayim, wababuyisela kuYehova, uThixo wooyise.

5Wamisa abagwebi ezweni, emizini yonke yakwaYuda enqatyisiweyo, kwimizi ngemizi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi kubagwebi, Kulumkeleni enikwenzayo; ngokuba àkungenxa yomntu
ukugweba kwenu, kungenxa kaYehova; unáni ke emcimbini wokugweba.

7Ngoko ke ukoyikwa kukaYehova makube phezu kwenu; yenzani ngobulumko;
ngokuba akukho bugqwetha kuYehova uThixo wethu, nakukhetha buso, nakwamkela
sicengo.

8Kananjalo eYerusalem uYehoshafati wamisa inxenye yabaLevi, nababingeleli,
neentloko zezindlu zooyise zakwaSirayeli, ngenxa yogwebo lukaYehova, nangenxa
yokubambana kwabantu. Babuyela kwaseYerusalem.

9Wabawisela umthetho wathi, Niya kwenjenjalo ukumoyika uYehova
ngokunyanisekileyo, nangentliziyo epheleleyo.

10Zonke iindawo ekubanjwene ngazo eziza kuni, zivela kubazalwana benu, abahleli
emizini yabo, phakathi kwegazi negazi, phakathi komyalelo nomthetho nemimiselo
namasiko, nobakhanyisela; ukuze bangabi natyala kuYehova, bunganifikeli nina
nabazalwana benu uburhalarhume bakhe; nenjenjalo, ukuze ningabi natyala.

11Nanko uAmariya umbingeleli omkhulu, ephezu kwenu ezintweni zonke zikaYehova;
noZebhadiya unyana kaIshmayeli, ingànga yendlu yakwaYuda, ezintweni zonke
zokumkani; nabaLevi boba ngababhali phambi kwenu. Yomelelani nenze; uYehova
woba nolungileyo kuni.

IziKronike II 20

1Kwathi emveni koko, oonyana bakaMowabhi noonyana baka-Amon,
benamaMahun, beza kulwa noYehoshafati.

2Beza bamxelela uYehoshafati, bathi, Kuza kuwe ingxokolo eninzi, evela phesheya
kolwandle kwa-Aram; nantso eHatsetson-tamare, eyiEngedi.

3Woyika uYehoshafati, wazinikela ngokwakhe ekumquqeleni uYehova, wathi
makuzilwe ukudla ngamaYuda onke.

4Ahlanganisana ke amaYuda, efuna uncedo kuYehova; nasemizini yonke yakwaYuda
baphuma bequqela uYehova.

5Wema uYehoshafati ebandleni lakwaYuda nelaseYerusalem, endlwini kaYehova,
phambi kwentendelezo entsha, wathi, Yehova, Thixo woobawo, asinguwe na
onguThixo emazulwini?

6Asinguwe na umlawuli ezikumkanini zonke zeentlanga? Akasesandleni sakho na
amandla nobugorha, ukuba kungabikho unokumelana nawe?

7Asinguwe na uThixo wethu, owabagqogqayo abemi beli lizwe phambi kwabantu
bakho amaSirayeli, waza walinika imbewu ka-Abraham okuthandayo,
ngonaphakade?

8Bahlala kulo, bakwakhela kulo indawo engcwele ngenxa yegama lakho, besithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ukuba sithe safikelwa bububi, nalikrele, nangumgwebo, nayindyikitya yokufa,
nayindlala, sema phambi kwale ndlu, naphambi kwakho (ngokuba likulé ndlu igama
lakho), sakhala kuwe ekubandezelekeni kwethu, wòsiva usindise.

10Yabona ke naba oonyana baka-Amon, nabakaMowabhi, nabasentabeni,
yakwaSehire, owawungavumanga ukuba amaSirayeli abangenele ekuphumeni
kwawo ezweni laseYiputa; ngokuba ábayeka, àkabatshabalalisa;

11naba ke besibuyekeza ngokuza kusigxotha elifeni lakho, owasinikayo ukuba silidle.

12Thixo wethu, akuyi kubagweba na? Ngokuba asinamandla okumelana nale
ngxokolo ininzi isizelayo; thina asazi ukuba sothini na, kodwa amehlo ethu akuwe.

13Ema ke onke amaYuda phambi koYehova, neentsana zawo, nabafazi bawo,
noonyana bawo.

14UYahaziyeli, unyana kaZekariya, unyana kaBhenaya, unyana kaYehiyeli, unyana
kaMataniya, umLevi wakoonyana baka-Asafu, wafikelwa nguMoya kaYehova
ephakathi kwebandla elo; wathi,

15Bazani iindlebe, nonke maYuda, nani bemi baseYerusalem, nawe kumkani
Yehoshafati. Útsho uYehova ukuthi kuni, Musani ukoyika, musani ukuqhiphuka
umbilini ngenxa yale ngxokolo inje ukuba ninzi; ngokuba imfazwe le asiyeyenu,
yekaThixo.

16Yihlani ngomso niye kulwa nabo; nâbo benyuka ngeqhina leTsitsi; nobafumana
ekupheleni kwesihlambo, phambi kwentlango yaseYeruweli.

17Le yanamhla asiyeyenu; zimiseni nime, nilubone usindiso lukaYehova onáni,
maYuda neYerusalem. Musani ukoyika, musani ukuqhiphuka umbilini. Phumani
ngomso nibahlangabeze; uYehova unáni.

18Wathoba uYehoshafati, ebubhekise ubuso emhlabeni; namaYuda onke nabemi
baseYerusalem bawa phambi koYehova, bamnqula uYehova.

19Basuka bema abaLevi, bakoonyana bakaKehati, nabakoonyana bamaKora, ukuba
badumise uYehova, uThixo kaSirayeli, ngezwi elikhulu kunene.

20Bavuka kusasa ngengomso, baphuma baya entlango yeTekowa. Ekuphumeni
kwabo wema uYehoshafati, wathi, Ndiphulaphuleni, nina maYuda, nani bemi
baseYerusalem. Kholwani kuYehova uThixo wenu, nòzimaseka; kholwani kubaprofeti
bakhe, noba nempumelelo.

21Uthe akucebisana nabantu, wamisa iimvumi zikaYehvoa zokudumisa, zivethe
ezingcwele, eziya kuphuma zihambe phambi kwabaxhobileyo, zisithi, bulelani
kuYehova, ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Bathe bakuqala ukumemelela nokudumisa, uYehova wabafikisela abalaleli oonyana baka-Amon, nabakaMowabhi, nabasentabeni yakwaSehire, ababezé kumaYuda; babulawa.

23Ngokuba oonyana baka-Amon nabakaMowabhi besuka balwa nabemi bentaba yakwaSehire, ukuba babasingele phantsi, babatshabalalise. Bakubagqiba abemi bakwaSehire, babulalana kwabodwa.

24Afika amaYuda emboniselweni yasentlango, akhangela kuloo ngxokolo, abóna bezizidumbu, bequngqululzile emhlabeni, kungekho usindileyo.

25UYehoshafati nabantu bakhe beza kuphanga amaxhoba; bafumana kubo into eninzi: impahla, nezidumbu, nezinto ezinqwenelekayo; baziphangela, kwayinkohla ukuyithwala. Baba ntsuku ntathu bewaphanga amaxhoba, ngokuba abemaninzi.

26Ngomhla wesiné bahlanganisana eNtilini yokuBonga; kuba bambonga khona uYehova; ngenxa yoko bathi igama lale ndawo yiNtili yokuBonga, unanamhla.

27Abuya onke amadoda akwaYuda nawaseYerusalem, uYehoshafati esentloko kuwo, ukuze abuye aye eYerusalem, enovuyo; ngokuba uYehova wenza ukuba azivuyelele iintshaba zawo.

28Angena eYerusalem enemirhubhe, neehadi, namaxilongo, aya endlwini kaYehova.

29Ukoyikwa kukaYehova kwazifikela zonke izikumkani zamazwe, zakuva ukuba uYehova ulwile neentshaba zakwaSirayeli.

30Bazola ke ubukumkani bukaYehoshafati; uThixo wakhe wamphumza ngeenxa zonke.

31UYehoshafati waye engukumkani kwaYuda; ubeminyaka imashumi mathathu anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mabini anamihlanu engukumkani eYerusalem. Igama lonina lalinguAzubha, intombi kaShilehi.

32Wahamba ngendlela kayise uAsa, akatyeka kuyo; wenza okuthe tye emehlweni kaYehova.

33Kodwa izigánga àbazisusanga; abantu babengekazibhekisi iintliziyo zabo kuThixo wooyise.

34Ezinye izinto zikaYehoshafati, ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibhaliwe emicimbini kaYehu unyana kaHanani, eyafakwa encwadini yookumkani bakwaSirayeli.

35Emveni koko uYehoshafati ukumkani wakwaYuda wazimanya noAhaziya ukumkani wakwaSirayeli, lowo wenzayo okungendawo.

36Wazimanya naye ngokwenza iinqanawa zokuya eTarshishe; bazenza iinqanawa e-Etsiyongebhere.

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Waprofeta uEliyezere, unyana kaDodavahu waseMaresha, ngoYehoshafati, esithi,
Ngokudibana kwakho noAhaziya, úyaphule uYehova imisebenzi yakho. Zaphuka ke
iinqanawa ezo, azaba nakuya eTarshishe.

IziKronike II 21

Ulawulo lukaYehoram

1UYehoshafati walala kooyise, wangcwatyelwa kooyise emzini kaDavide; uYehoram,
unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

2Ubenabaninawa, oonyana bakaYehoshafati; uAzariya, noYehiyeli, noZekariya,
noAzariya, noMikayeli, noShefatiya; bonke abo ngoonyana bakaYehoshafati,
ukumkani wakwaSirayeli.

3Uyise wabanika izipho ezininzi zesilivere nezegolide, nezinto ezintle, kunye nemizi
enqatyisiweyo kwaYuda; ke ubukumkani wabunika uYehoram, ngokuba
ebengowamazibulo.

4Akuphakama uYehoram ebukumkanini bukayise, wazomeleza, wababulala bonke
abaninawa bakhe ngekrele, nenxenye yeenkosana zakwaSirayeli.

5Ubeminyaka imashumi mathathu anamibini ezelwe uYehoram, ukuba ngukumkani
kwakhe; waba neminyaka esibhozo engukumkani eYerusalem.

6Wahamba ngendlela yookumkani bakwaSirayeli, njengoko yenza ngako indlu ka-
Ahabhi; ngokuba wayezeké intombi ka-Ahabhi; wenza ububi emehlweni kaYehova.

7Ke akavumanga uYehova ukuyonakalisa indlu kaDavide, ngenxa yomnqophiso
awawenzela uDavide, njengoko wathethayo, ukuba uya kumnika isibane,
kwanoonyana bakhe, yonke imihla.

8Ngemihla yakhe amaEdom akreqa esandleni sakwaYuda, azenzela ukumkani.

9Wagqitha uYehoram, enabathetheli bakhe, eneenqwelo zakhe zonke zokulwa;
wavuka ebusuku, wawabulala amaEdom abemrhawule ngeenxa zonke, nabathetheli
beenqwelo zokulwa.

10Akreqa ke amaEdom, aphuma phantsi kwesandla samaYuda, unanamhla. Yaza
yakreqa iLibhena esandleni sakhe kwangelo xesha; ngokuba ebemshiyile uYehova,
uThixo wooyise.

11Kananjalo, yena wenza izigánga ezintabeni zakwaYuda; wabahenyuzisa abemi
baseYerusalem, wawawexula amaYuda.

12Kweza kuye incwadi ivela kuEliya umprofeti, isithi, Útsho uYehova, uThixo kaDavide
uyihlo, ukuthi, Ngethuba lokuba ungàhambanga ngeendlela zikaYehoshafati uyihlo,
nangeendlela zika-Asa ukumkani wakwaYuda;

© 1975 Bible Society of South Africa.

13usuké wahamba ngeendlela zookumkani bakwaSirayeli, wawahenyuzisa amaYuda
nabemi baseYerusalem, ngokokuhenyuzisa kwendlu ka-Ahabhi; kananjalo
wababulala abaninawa bakho bendlu kayihlo, ababelungile kunawe:

14yabona, uYehova uya kubabetha ngesibetho esikhulu abantu bakho, noonyana
bakho, nabafazi bakho, nempahla yakho yonke;

15ke wena wobethwa zizifo ezininzi, sisifo sezibilini zakho, zide ziphume izibilini zakho
sisifo semihla ngemihla.

16UYehova wawaxhokonxa amaFilisti, nama-Arabhi asecaleni lamaKushi, ukuba
amchase uYehoram.

17Enyuka eza kwelamaYuda, atyhoboza, angena kulo, athimba yonke impahla
eyafumaneka endlwini yokumkani, kwanoonyana bakhe, nabafazi bakhe; àbamshiya
nanyana, yaba nguYehowahazi unyana wakhe omncinane yedwa.

18Emveni kwezo zinto, uYehova wambetha ezibilinini zakhe ngesifo
esingenakuphiliswa.

19Kwathi ekuhambeni kwexesha, ekupheleni kweminyaka emibini esifa, zaphuma
izibilini zakhe esifa njalo; wafa esezintlungwini ezinkulu. Abantu bakhe
abamenzelanga baso njengebaso looyise.

20Ubeminyaka imashumi mathathu anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe;
waba neminyaka esibhozo engukumkani eYerusalem; wemka engalilelwa bani.
Bamngcwabela emzini kaDavide; kodwa àkangcwatyelwa emangcwabeni ookumkani.

IziKronike II 22

Ulawulo luka-Ahaziya nokuhluthwa kobukumkani nguAtaliya

1Abemi baseYerusalem bamenza uAhaziya, unyana wakhe omncinane, ukumkani
esikhundleni sakhe; ngokuba bonke abakhulu babebulewe ngamatutu aweza nama-
Arabhi emkhosini. Waba ngukumkani ke uAhaziya, unyana kaYehoram, ukumkani
wamaYuda.

2UAhaziya ubeminyaka imashumi mané anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani
kwakhe; waba namnyaka mnye engukumkani eYerusalem. Igama lonina
lalinguAtaliya, intombi kaOmri.

3Kananjalo yena wahamba ngeendlela zendlu ka-Ahabhi; ngokuba unina
ubengumcebisi wakhe, ukuba enze okungendawo.

4Wenza ububi emehlweni kaYehova, njengendlu ka-Ahabhi; ngokuba
babengabacebisi bakhe bona emva kokufa kukayise, bemonakalisa.

5Kananjalo wahamba ngecebo labo. Wahamba noYehoram unyana ka-Ahabhi,
ukumkani wakwaSirayeli, waya kulwa noAzayeli ukumkani wama-Aram, eRamoti
yaseGiliyadi; ama-Aram, amngxwelerha uYehoram.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wabuya, eza kunyangwa eYizereli loo manxeba wawafumana eRama, ekulweni kwakhe noAzayeli ukumkani wama-Aram. Wehla uAzariya unyana kaYehoram, ukumkani wakwaYuda, waya kubona uYehoram unyana ka-Ahabhi eYizereli, ngokuba ebesifa.

7Kwaphuma kuThixo ukutyunyuzwa kuka-Ahaziya, ngokuthi eze kuYehoram. Ekufikeni kwakhe waphuma noYehoram; baya kuYehu unyana kaNimshi, awamthambisayo uYehova ukuba ayinqamle indlu ka-Ahabhi.

8Kwathi, ekugwetyweni kwendlu ka-Ahabhi nguYehu, wafumana abathetheli bakwaYuda, noonyana babazalwana baka-Ahaziya, ababelungiselela kuAhaziya, wababulala.

9Wafunwa uAhaziya; bambamba ezimele kwaSamari, bamsa kuYehu, bambulala; bamngcwaba, ngokuba babesithi, Ngunyana kaYehoshafati, obemquqela uYehova ngentliziyo yakhe yonke. Indlu ka-Ahaziya yayingenabani unokuphatha ubukumkani.

10Wathi ke uAtaliya, unina ka-Ahaziya, akubona ukuba ufile unyana wakhe, wesuka wayitshabalalisa ngobubhedengu yonke imbewu enobukhosi bendlu yakwaYuda.

11UYehoshabhati, intombi yokumkani, wamthabatha uYowashe, unyana ka-Ahaziya, wamba phakathi koonyana bokumkani ababulawáyo, wambeka yena nomondli wakhe egumbini lokulala. UYehoshabhati, intombi yokumkani uYehoram, umkaYehoyada umbingeleli (ngokuba ubengudade boAhaziya), wamfihla kuAtaliya, ukuze angábulawa.

12Wayenabo endlwini kaThixo, ezinyeziwe, iminyaka emithandathu. Ke uAtaliya waba ngukumkanikazi welizwe elo.

IziKronike II 23

UYehoyada ubeka uYowashe etroneni

1Ngomnyaka wesixhenxe wazomeleza uYehoyada, wathabatha abathetheli-makhulu, uAzariya unyana kaYehoram, noIshmayeli unyana kaYehohanan, noAzariya unyana kaObhedi, noMahaseya unyana ka-Adaya, noElishafati unyana kaZikri, wanqophisana nabo.

2Bajikeleza kwaYuda, babahlanganisa abaLevi emizini yonke yakwaYuda, neentloko zonke zezindlu zooyise zakwaSirayeli, beza nabo eYerusalem.

3Lesuka lonke ibandla lenza umnqophiso nokumkani endlwini kaThixo. Wathi kubo uYehoyada, Yabonani, unyana wokumkani makabe ngukumkani, njengoko wakuthethayo uYehova ngonyana bakaDavide.

4Yiyo le into eniya kuyenza; esinye isahlulo sesithathu kuni bangenayo ngesabatha, kubabingeleli nakubaLevi, sóba ngabagcini bamasango;

© 1975 Bible Society of South Africa.

5esinye isahlulo sesithathu sóba sendlwini yokumkani; esinye isahlulo sesithathu
sóba seSangweni lesiSeko; abantu bonke boba sezintendelezweni zendlu kaYehova.

6Ize kungangeni bani endlwini kaYehova, ngaphandle kwababingeleli nabalungiseleli
bakubaLevi; bona baya kungena ngokuba bangcwele; bonke abantu bazigcine
izigxina zikaYehova.

7AbaLevi bomngqonga ukumkani ngeenxa zonke, elowo ephethe iintonga zakhe
ngesandla; ongowumbi ongénayo endlwini makabulawe; babe nokumkani
ekungeneni kwakhe nasekuphumeni kwakhe.

8Benza ke abaLevi namaYuda onke njengako konke awabawisela umthetho ngako
uYehoyada umbingeleli. Bathabatha elowo amadoda akhe, abengena ngesabatha
nabephuma ngesabatha; ngokuba uYehoyada umbingeleli akawandululanga amaqela
lawo.

9UYehoyada umbingeleli wabanika abathethelimakhulu iintshuntshe,
neengweletshetshe, namakhaka, abengakakumkani uDavide, abesendlwini kaThixo.

10Wabamisa bonke abantu, elowo eneentonga zakhe esandleni; bathabathela
kwelokunene igxalaba lendlu besa kwelokhohlo igxalaba lendlu, ngasesibingelelweni
nangasendlwini, kukumkani ngeenxa zonke.

11Bamkhuphela phandle unyana wokumkani, bamfaka isithsaba, bamnika isingqiniso,
bamenza ukumkani. UYehoyada noonyana bakhe bamthambisa, bathi, Makadle
ubomi ukumkani!

12Uthe uAtaliya akusiva isandi sabantu, begidima, bedumisa ukumkani, weza
ebantwini endlwini kaYehova.

13Wakhangela, wambona ukumkani emi endaweni ephakamileyo ekungeneni,
abathetheli nabavutheli-maxilongo bengakukumkani; abantu bonke belizwe bevuya,
bevuthela amaxilongo; iimvumi zineempahla zokuvuma, zihlabela awokudumisa.
UAtaliya wazikrazula iingubo zakhe, wathi, Licebo! licebo!

14UYehoyada umbingeleli wabawisela umthetho abathetheli-makhulu, abaveleli
bomkhosi, wathi kubo, Mkhupheleni phandle phakathi kwezintlu; omlandelayo
makabulawe ngekrele. Ngokuba ubesithi umbingeleli, Makangàbulawelwa endlwini
kaYehova.

15Bamkhwelela ke ngeenxa zombini; waya ekungeneni kwesango lamahashe
endlwini yokumkani; bambulalela khona.

16Wenza uYehoyada umnqophiso phakathi kwakhe nabantu bonke, nokumkani,
ukuba babe ngabantu bakaYehova.

17Baya bonke abantu endlwini kaBhahali, bayidiliza; nezibingelelo zakhe,
nemifanekiso yakhe bayiqhekeza; bambulala uMatan, umbingeleli kaBhahali, phambi
kwezibingelelo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18UYehoyada wamisa abaveleli bendlu kaYehova ngesandla sababingeleli abangabaLevi, awabahlulela uDavide indlu kaYehova, ukuba banyuse amadini anyukayo kaYehova, ngoko kubhaliweyo emyalelweni kaMoses, benovuyo neengoma, ngoko kumiselwe nguDavide.

19Wamisa abagcini-masango emasangweni endlu kaYehova, ukuze kungangeni uyinqambi nangantoni.

20Wathabatha abathetheli-makhulu, nezinhanha, nabalawuli babantu, nabantu bonke belizwe, wehla nokumkani endlwini kaYehova; bangena ngesango eliphezulu lendlu yokumkani, bambeka ukumkani etroneni yokumkani.

21Bavuya ke bonke abantu belizwe, umzi wazola; bambulala ke uAtaliya ngekrele.

IziKronike II 24

Ulawulo lukaYowashe

1UYowashe ubeminyaka isixhenxe ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mané engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguTsibheya waseBher-shebha.

2UYowashe wenza okuthe tye emehlweni kaYehova yonke imihla kaYehoyada umbingeleli.

3UYehoyada wamzekela abafazi ababini; wazala oonyana neentombi.

4Kwathi emveni koko kwaba sentliziyweni kaYowashe, ukuba ayihlaziye indlu kaYehova.

5Wabahlanganisa ababingeleli nabaLevi, wathi kubo, Phumani niye emizini yakwaYuda, nibuthe imali kumaSirayeli onke, yokuyihlaziya indlu kaThixo wenu iminyaka ngeminyaka; yikhawuleziseni loo nto. Ke abaLevi abayikhawulezisanga.

6Ukumkani wambiza uYehoyada umbingeleli omkhulu, wathi kuye, Yini na ukuba ungabaveleli abaLevi, bayizise irhafu kumaYuda naseYerusalem, ngokomyalelo kaMoses, umkhonzi kaYehova, nowebandla lamaSirayeli, ngenxa yentente yesingqiniso?

7(Ngokuba uAtaliya, laa mfazi ungendawo, noonyana bakhe, babeyigqobhozile indlu kaThixo; kananjalo zonke izinto ezingcwele zendlu kaYehova babezenze ezooBhahali.)

8Wathi ukumkani, mabenze umkhombe, bawubeke esangweni lendlu kaYehova ngaphandle.

9Bathumela ilizwi kwaYuda naseYerusalem, ukuba kuziswe kuYehova irhafu eyamiswa nguMoses umkhonzi kaThixo, phezu kwamaSirayeli entlango.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Bavuya bonke abathetheli, nabantu bonke; bayizisa, bayiphosa emkhombeni wada wazala.

11Kwathi ke ngexesha lokuziswa komkhombe ngesandla sabaLevi kubaveleli bokumkani, bakubona ukuba ininzi imali, weza umbhali wokumkani, nomveleli wombingeleli omkhulu, bayikhupha imali esemkhombeni, baza bawuthwala, bawubuyisela endaweni yawo. Benjenjalo imihla ngemihla, bahlanganisa imali yaninzi.

12Ukumkani noYehoyada bayinikela kubenzi bomsebenzi wenkonzo endlwini kaYehova; bona baqesha abaxholi bamatye neengcibi zemithi, ukuba bayihlaziye indlu kaYehova; neengcibi zesinyiti, nezobhedu; ukuba zilungise indlu kaYehova.

13Basebenza ke abenzi bomsebenzi; wenyuka umsebenzi wokuyihlaziya ezandleni zabo; bayimisa indlu kaThixo, yazinziswa, yazinyaswa.

14Bakuyigqiba, bayizisa imali eseleyo phambi kokumkani noYehoyada, benza ngayo iimpahla zendlu kaYehova, iimpahla zokulungiselela, nezamadini anyukayo, neenkamba, neempahla zegolide nezesilivere. Baye benyusa amadini anyukayo endlwini kaYehova ngamaxesha onke, yonke imihla kaYehoyada.

15Ke uYehoyada wayeseleyingwevu, ehambisekile ebudaleni, ukufa kwakhe. Ebeminyaka ilikhulu linamanci mathathu ezelwe, ukufa kwakhe.

16Bamngcwabela emzini kaDavide kookumkani; ngokuba wenza okulungileyo kwaSirayeli, nakuThixo, nakwindlu yakhe.

17Emva kokufa kukaYehoyada, beza abathetheli bakwaYuda, baqubuda kukumkani. Waza wabaphulaphula ukumkani.

18Bayishiya indlu kaYehova, uThixo wooyise, bakhonza ooAshera nezithixo. Afikelwa buburhalarhume amaYuda neYerusalem ngenxa yelo tyala lawo.

19Wathuma abaprofeti kubo bokubabuyisela kuYehova, baqononondisa; ke bona àbaphulaphula noko.

20UMoya kaThixo wamthi gqubuthu uZekariya, unyana kaYehoyada umbingeleli, wema phezu kwabantu, wathi kubo, Utsho uThixo ukuthi, Yini na ukuba niyigqithe imithetho kaYehova, nize ningabi nampumelelo? Ngokuba nimshiyile uYehova, wonishiya nani.

21Bamceba bamxuluba ngamatye, ngokomthetho wokumkani entendelezweni yendlu kaYehova.

22Wenjenjalo uYowashe ukumkani, àkayikhumbula inceba abeyenzile uYehoyada, uyise kaZekariya, kuye; wesuka wambulala unyana wakhe. Ekufeni kwakhe wathi, UYehova wókhangela abuze.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kwathi ekupheleni komnyaka, yenyuka yeza kuye impi yama-Aram; eza kwaYuda naseYerusalem, ábatshabalalisa bonke abathetheli babantu ebantwini; onke amaxhoba awo awathumela kukumkani waseDamasko.

24Ngokuba impi yama-Aram yeza inamadoda ambalwa; uYehova wanikela esandleni sawo impi eninzi kunene; ngokuba babemshiyile uYehova, uThixo wooyise. Amgweba ke uYowashe.

25Ekumkeni kwawo kuye (ngokuba amshiya eneentlungu ezinkulu), bamceba abakhonzi bakhe (ngenxa yamagazi oonyana bakaYehoyada umbingeleli), bambulalela esingqengqelweni sakhe, wafa; bamngcwabela emzini kaDavide; ke abamngcwabelanga emangcwabeni ookumkani.

26Abo ke bamcebayo nguZabhadi, unyana kaShimehati umAmonikazi, noYozabhadi, unyana kaShimriti umMowabhikazi.

27Ke oonyana bakhe, nobuninzi bezihlabo ezimsongelayo, nokusekwa kwendlu kaThixo, nanzo zibhaliwe ezincwadini zamabali ookumkani. UAmatsiya, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

IziKronike II 25

Ulawulo luka-Amatsiya

1UAmatsiya ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mabini anesithoba engukumkani eYerusalem. Igama lonina belinguYehowadan waseYerusalem.

2Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova; kodwa kungengantliziyo ipheleleyo.

3Kwathi, bakuqiniselwa ubukumkani kuye, wababulala abakhonzi bakhe, ababebulele ukumkani uyise.

4Ke oonyana babo akababulalanga, kwanjengoko kubhaliweyo emyalelweni, encwadini kaMoses, apho uYehova ebewise khona umthetho wokuthi: Mabangabulawa ooyise ngenxa yoonyana, noonyana mabangabulawa ngenxa yooyise; elowo makabulawe ngesakhe isono.

5UAmatsiya wawahlanganisa amaYuda onke, wawamisa ngokwezindlu zooyise, ngokwabathetheli-mawaka, nangokwabathetheli-makhulu, kuwo onke amaYuda namaBhenjamin; wababala, ethabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, kunyuse. Wabafumana bengamakhulu amathathu amawaka amadodana anokuphuma umkhosi, ephethe iintonga namakhaka.

6Waqesha kumaSirayeli ikhulu lamawaka amagorha anobukroti, ngekhulu leetalente zesilivere.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Kweza ke umfo wakwaThixo kuye, esithi, Kumkani, mawungahambi nawe umkhosi wamaSirayeli; ngokuba akakho uYehova kumaSirayeli, koonyana bonke bakwaEfrayim.

8Hamba wedwa, wenze womelele ekulweni; uThixo akayi kukuwisa phambi kotshaba; ngokuba uThixo unamandla okunceda nawokuwisa.

9UAmatsiya wathi kumfo wakwaThixo, Liya kuthiwani na ikhulu leetalente, endalinika umkhosi wamaSirayeli? Wathi umfo wakwaThixo, UYehova angákunika okuninzi kunoko.

10UAmatsiya ke wayahlula impi leyo yayize kuye, ivela kwaEfrayim, ukuba iye endaweni yayo. Wavutha umsindo wayo kunene ngakumaYuda; babuya baya endaweni yabo bevutha ngumsindo.

11UAmatsiya wazomeleza, wabaqhuba abantu bakhe, waya eSihlanjeni seTyuwa, wabulala koonyana bakwaSehire ishumi lamawaka.

12Oonyana bakaYuda balithimba elinye ishumi lamawaka lihleli; babása encotsheni yengxondorha leyo, babaphosa phantsi encotsheni yengxondorha, badlabhuka bonke bephela.

13Ke abomkhosi awababuyisayo uAmatsiya, ukuba bangàyi naye ekulweni, bayingenela imizi yakwaYuda, bethabathela kwaSamari, besa eBhete-horon, babulala kuyo amawaka amathathu, baphanga into eninzi yamaxhoba.

14Kwathi emva kokubuya kuka-Amatsiya ekuwabulaleni amaEdom, wezisa izithixo zoonyana bakwaSehire, wazimisa ukuba zibe zizithixo zakhe, waqubuda phambi kwazo, waqhumisela kuzo.

15Wavutha umsindo kaYehova kuAmatsiya, wathumela umprofeti kuye, wathi kuye, Yini na ukuba uquqele izithixo zabantu ezingabahlangulanga abantu bazo esandleni sakho?

16Kwathi esathetha naye, ukumkani wathi kuye, Sikumisile yini na ukuba ube ngumphakathi wokumkani? Yeka; yini na ukuba uzibethise. Wayeka umprofeti wathi, Ndiyazi ukuba uThixo ugqibé kwelokuba akutshabalalise, ngokuba ukwenzile oku, akwaliphulaphula icebo lam.

17UAmatsiya ukumkani wakwaYuda wathabatha icebo, wathumela kuYowashe, unyana kaYehowahazi, unyana kaYehu, ukumkani wakwaSirayeli, wathi, Khawuze siqwalaselane ngamehlo.

18UYowashe ukumkani wamaSirayeli wathumela kuAmatsiya ukumkani wakwaYuda, wathi, Ikhakakhaka eliseLebhanon lathumela kumsedare oseLebhanon, lisithi, Unyana wam mnike intombi yakho, ibe ngumkakhe. Ke irhamncwa laseLebhanon ladlula, lalibhuqa ikhakakhaka elo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Ùthi, Yabona, ndiwabulele amaEdom; yakuphakamisa intliziyo yakho, ukuba uzizukise. Hlala kaloku endlwini yakho; yini na ukuba okunene ufekethe ngobubi, uwe, wena namaYuda anawe.

20Akaphulaphula uAmatsiya; ngokuba oko kwakuphuma kuThixo, ukuze abanikele esandleni seentshaba zabo; ngokuba babequqele izithixo zakwaEdom.

21Wenyuka ke uYowashe ukumkani wakwaSirayeli; baqwalaselana ngamehlo, yena noAmatsiya ukumkani wakwaYuda, eBhete-shemeshe, ekwaYuda.

22Atyelwa ke amaYuda ngamaSirayeli; asaba, yangulowo waya ententeni yakhe.

23UYowashe ukumkani wakwaSirayeli wambamba uAmatsiya ukumkani wakwaYuda, unyana kaYowashe, unyana kaYehowahazi, eBhete-shemeshe, wamzisa eYerusalem; waluqhekeza udonga lwaseYerusalem, ethabathela esangweni lakwaEfrayim, wesa esangweni lembombo, iikubhite ezimakhulu mané.

24Wayithabatha yonke igolide, nesilivere, nempahla yonke eyafumanekayo endlwini kaThixo, ebino-Obhedi-edom, nobuncwane bendlu yokumkani, nabafo abazizibambiso, wabuyela kwaSamari.

25UAmatsiya unyana kaYowashe, ukumkani wakwaYuda, emva kokufa kukaYowashe unyana kaYehowahazi, ukumkani wakwaSirayeli, waba minyaka ilishumi linesihlanu esidla ubomi.

26Ezinye izinto zika-Amatsiya, ezokuqala nezokugqibela, àsizezo na zibhaliweyo encwadini yookumkani bakwaYuda nabakwaSirayeli?

27Ke kaloku, emveni kwexesha awatyeka ngalo uAmatsiya ekumlandeleni uYehova, bamceba eYerusalem; wasabela eLakishe. Bamsukela, bamfumana eLakishe, bambulalela khona.

28Bamthwala ngamahashe, bamngcwabela koyise, emzini wakwaYuda.

IziKronike II 26

Ulawulo lukaUziya

1Bonke abantu bakwaYuda bamthabatha u-Uziya, akubon' ukuba uminyaka ilishumi linamithandathu ezelwe, bamenza ukumkani esikhundleni sika-Amatsiya uyise.

2Yakhiwa nguye iEloti, wayibuyisela kumaYuda, emva kokulala kokumkani kooyise.

3U-Uziya ubeminyaka ilishumi elinamithandathu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mahlanu anamibini engukumkani eYerusalem. Igama lonina libe linguYekoliya waseYerusalem.

4Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, njengako konke awakwenzayo uAmatsiya uyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wamquqela uThixo ngemihla kaZekariya, owamfundisayo ukumoyika uThixo;
ngemihla yokumquqela kwakhe uYehova, uThixo wamenza wanempumelelo.

6Waphuma walwa namaFilisti, waluqhekeza udonga lwaseGati, nodonga
lwaseYabhene, nodonga lwaseAshdode, wákha imizi kummandla waseAshdode
naphakathi kwamaFilisti.

7UThixo wamnceda kumaFilisti, nakuma-Arabhi ahleli eGur-bhahali, nakumaMahan.

8Ama-Amon amnika u-Uziya umnikelo. Igama lakhe laduma, lada laya kufika
ekungeneni kweYiputa; ngokuba womelela wada wenyuka.

9U-Uziya wákha iinqaba ezinde eYerusalem, esangweni lembombo, nasesangweni
lomfula, nasembombeni yodonga, wazinqabisa ke.

10Wákha iinqaba ezinde entlango, wemba amaqula amaninzi; ngokuba imfuyo yakhe
yabe ininzi kwelentili nakwelamathafa. Ubenabalimi bomhlaba nabezidiliya
ezintabeni naseKarmele; ngokuba wayethanda ukulima umhlaba.

11U-Uziya ubenempi elwayo, ephuma umkhosi ngamaqela, ngenani lokubalwa
kwabo ngesandla sikaYehuweli umbhali, noMahaseya umphathi, phantsi kolawulo
lukaHananiya, ongomnye wakubathetheli bokumkani.

12Lonke inani leentloko zezindlu zooyise, lamagorha anobukroti, lalingamawaka
amabini anamakhulu mathandathu.

13Ngaphantsi kwabo, impi ephuma umkhosi yayingamakhulu amathathu amawaka,
anamawaka asixhenxe, anamakhulu mahlanu alwayo, anamandla obukroti
ukumnceda ukumkani elutshabeni.

14U-Uziya wawalungiselela, emkhosini wonke, iingweletshetshe, nezikhali, nezigcina-
ntloko, neengubo zentsimbi, nezaphetha, namatye okusawula.

15Wenza eYerusalem omashini abenziwe ngobuqili beengcibi, bokuba phezu
kweenqaba ezinde naphezu koqoqo, ukuba kutolwe ngeentolo, kusawulwe
ngamatye amakhulu. Laduma igama lakhe, lada laya kude, ngokuba wancedwa
ngokubalulekileyo, wada womelela.

16Uthe ke akomelela, yaphakama intliziyo yakhe, wada wenza ububi; ngokuba wenza
ubumenemene kuYehova uThixo wakhe, wangena etempileni kaYehova, ukuba
aqhumisele esibingelelweni sesiqhumiso.

17UAzariya umbingeleli wamlandela, enababingeleli bakaYehova abangamashumi
asibhozo, amadoda anobukroti.

18Bammela u-Uziya ukumkani, bathi kuye, Àsikokwakho, Uziya, ukuqhumisela
kuYehova; kokwababingeleli, oonyana baka-Aron abángcwaliselwa ukuqhumisela;
phuma engcweleni, ngokuba wènza ubumenemene; àkuluzuko oko kuwe phambi
koYehova uThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Wajala u-Uziya, ephethe ngesandla isiqhumiso sokuqhumisela. Uthe esabajalele ababingeleli, kwasuka kwaphuma iqhenqa ebunzini lakhe phambi kwababingeleli endlwini kaYehova, engasesibingelelweni sokuqhumisela.

20UAzariya, umbingeleli omkhulu, nababingeleli bonke, babheka kuye, nanko eneqhenqa ebunzi, bamgxotha ngobungxamo khona, wangxama naye ukuphuma; ngokuba uYehova ubembethile.

21Waye u-Uziya ukumkani eneqhenqa, kwada kwayimini yokufa kwakhe, wahlala endlwini eyodwa, eneqhenqa; ngokuba wanqanyulwa endlwini kaYehova. UYotam, unyana wakhe, wayiphatha indlu yokumkani, ebalawula abantu belizwe.

22Ezinye izinto zikaUziya, ezokuqala nezokugqibela, wazibhala uIsaya unyana ka-Amotsi, umprofeti.

23U-Uziya walala kooyise; bamngcwabela ngakooyise emhlabeni wokungcwaba wookumkani; ngokuba bathi, Úneqhenqa. UYotam, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

IziKronike II 27

Ulawulo lukaYotam

1UYotam ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinamithandathu engukumkani eYerusalem. Igama lonina lalinguYerusha intombi kaTsadoki.

2Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, njengako konke awakwenzayo u-Uziya uyise; kodwa akangenanga etempileni kaYehova; ke abantu bona babesabenza ububi.

3Yena walakha isango eliphezulu lendlu kaYehova; wákha kakhulu naseludongeni lwaseOfele.

4Wákha imizi kweleentaba lakwaYuda, nasemahlathini wákha iinqaba neemboniselo.

5Walwa noonyana baka-Amon, waboyisa. Oonyana baka-Amon bamnika ngaloo mnyaka ikhulu leetalente zesilivere, neshumi lamawaka eekore zengqolowa, neshumi lamawaka erhasi. Oko baphinda bakuzisa kuye oonyana baka-Amon ngomnyaka wesibini nangowesithathu.

6Womelela ke uYotam; ngokuba waziqinisela iindlela zakhe phambi koYehova uThixo wakhe.

7Ezinye izinto zikaYotam, neemfazwe zakhe zonke, neendlela zakhe, nanzo zibhaliwe encwadini yookumkani bakwaSirayeli nabakwaYuda.

8Ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinamithandathu engukumkani eYerusalem.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9UYotam walala kooyise; bamngcwabela emzini kaDavide; uAhazi, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

IziKronike II 28

Ulawulo luka-Ahazi

1UAhazi ubeminyaka imashumi mabini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinamithandathu engukumkani eYerusalem. Àkakwenza okuthe tye emehlweni kaYehova njengoDavide uyise;

2wahamba ngeendlela zookumkani bakwaSirayeli, kananjalo wabenzela ooBhahali imifanekiso etyhidiweyo.

3Waqhumisela yena emfuleni waseBhen-hinom, wabatshisa oonyana bakhe ngomlilo, ngokwamasikizi eentlanga awazigqogqayo uYehova phambi koonyana bakaSirayeli.

4Wabingelela waqhumisela ezigangeni, nasezindulini, naphantsi kwemithi yonke eluhlaza.

5UYehova, uThixo wakhe, wamnikela esandleni sokumkani wama-Aram; ameyisa, athimba kuye into eninzi yabathinjwa, abása eDamasko. Kananjalo wanikelwa esandleni sokumkani wakwaSirayeli, uPeka; wabulala kwimpi yakhe kakhulu.

6UPeka, unyana kaRemaliya, wabulala kumaYuda ikhulu elinamanci amabini lamawaka ngamini-nye, bonke bengamadoda anobukroti, ngokushiya kwabo uYehova, uThixo wooyise.

7UZikri, igorha lakwaEfrayim, wabulala uMahaseya unyana wokumkani, noAzerikam ingànga yendlu yakhe, noElikana onganeno kokumkani.

8Oonyana bakaSirayeli bathimba kubazalwana babo amakhulu amabini amawaka, abafazi, noonyana, neentombi, kananjalo babaphanga amaxhoba amaninzi, bawazisa amaxhoba lawo kwaSamari.

9Apho ke bekukho umprofeti kaYehova, ogama linguOdede. Waphuma waya kukhawulela umkhosi owawusiza kwaSamari, wathi kubo, Yabonani, ngenxa yobushushu bukaYehova, uThixo wooyihlo, obukumaYuda, úwanikele ezandleni zenu; nibabuléle ke ngomsindo ode waya kufikelela emazulwini.

10Kaloku ke oonyana bakwaYuda neYerusalem, nithe nina niya kubanyathela, babe ngamakhoboka namakhobokazana kuni. Kodwa nina aninatyala na kuYehova uThixo wenu?

11Ndiphulaphuleni ngoko, nibabuyise abathinjwa, enabathimba kubazalwana benu; ngokuba ukuvutha komsindo kukaYehova kuphezu kwenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Kwesuka ke amadoda akwiintloko zoonyana bakaEfrayim, ooAzariya unyana kaYohanan, noBherekiya unyana kaMeshilemoti, noHezekiya unyana kaShalum, noAmasa unyana kaHadelayi, ema phambi kwabavela emkhosini;

13athi kubo, Ningàbazisi apha abathinjwa, ukuze sibe netyala kuYehova; nifuna ukongeza esonweni sethu nasetyaleni lethu; ngokuba, inene, likhulu ityala lethu, nokuvutha komsindo kuphezu kwamaSirayeli.

14Abaxhobileyo babashiya ke abathinjwa namaxhoba phambi kwabathetheli nebandla lonke.

15Asuka ke amadoda akhankanywe ngamagama, abathabatha abathinjwa, abambathisa bonke ababezé phakathi kwabo ngamaxhoba, abambathisa, abanxiba iimbadada, abadlisa, abaseza, abathambisa, abathundeza ngamaesile bonke abatyhafileyo, abása eYeriko, kumzi wamasundu, kubazalwana babo; wona abuya aya kwaSamari.

16Ngelo xesha ukumkani uAhazi wathumela ke kookumkani baseAsiriya ukuba baze kumnceda.

17Ngaphezu koko eza amaEdom, abulala amaYuda, athimba abathinjwa.

18NamaFilisti ayingenela imizi yasezintilini, neyasezantsi yakwaYuda, ayithimba iBhete-shemeshe, neAyalon, neGederoti, neSoko namagxamesi ayo, neTimna namagxamesi ayo, neGimzo namagxamesi ayo, ahlala khona.

19Ngokuba uYehova wawathoba amaYuda ngenxa ka-Ahazi, ukumkani wakwaSirayeli; ngokuba wenza inyala kwaYuda, wenza ubumenemene kuYehova.

20UTilegati-pilenezere, ukumkani waseAsiriya, wamfikela, wambandezela, akamomeleza;

21ngokuba uAhazi wayeyiphangile indlu kaYehova, nendlu yokumkani, nabathetheli, wanika ukumkani waseAsiriya; akwamnceda nto noko.

22Ngexesha lokubandezelwa kwakhe waphinda wenza ubumenemene kuYehova, yena ukumkani uAhazi.

23Wabingelela kwizithixo zaseDamasko ezazimeyisile, wathi, Izithixo zookumkani bama-Aram ezawancedayo, ndobingelela kuzo; zondinceda nam. Ke zona zaba sisikhubekiso kuye nakumaSirayeli onke.

24UAhazi wazihlanganisa iimpahla zendlu kaThixo, wazinqunqa iimpahla zendlu kaThixo, wazivala iingcango zendlu kaYehova. Wazenzela izibingelelo ezimbombeni zonke zaseYerusalem,

25wenza izigánga emizini yonke ngaminye yakwaYuda, zokuqhumisela thixweni bambi; wamqumbisa uYehova uThixo wooyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Ezinye izinto zakhe, neendlela zakhe zonke ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibhaliwe encwadini yookumkani bakwaYuda nabakwaSirayeli.

27UAhazi walala kooyise, bamngcwabela kuwo umzi oyiYerusalem; ke abamzisanga emangcwabeni ookumkani bakwaSirayeli. UHezekiya, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

IziKronike II 29

Ulawulo lukaHezekiya

1UHezekiya waba ngukumkani eminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe; waba neminyaka emashumi mabini anesithoba engukumkani eYerusalem. Igama lonina lalinguAbhiya intombi kaZekariya.

2Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, njengako konke awakwenzayo uDavide uyise.

3Yena, ngomnyaka wokuqala wobukumkani bakhe, ngenyanga yokuqala, wazivula iingcango zendlu kaYehova, wazilungisa.

4Wabangenisa ababingeleli nabaLevi, wabahlanganisela ebaleni langasempumalanga, wathi kubo,

5Ndiphulaphuleni, baLevi; zingcwaliseni kaloku; yingcwaliseni indlu kaYehova, uThixo wooyihlo, nikukhuphe ukungcola okusendaweni engcwele.

6Ngokuba oobawo benza ubumenemene, benza okubi emehlweni kaYehova uThixo wethu, bamshiya, babusonga ubuso babo emnqubeni kaYehova, bawunikela ikhosi;

7kananjalo bazivala iingcango zevaranda, bazicima izibane, àbaqhumisela ngesiqhumiso, àbawanyusa amadini anyukayo engcweleni kuThixo kaSirayeli.

8Ngoko ke àfikelwa amaYuda neYerusalem buburhalarhume bukaYehova, wawanikela aba yinto yokufeketha, neyokumangalisa, neyomsondlo, njengoko nikubonayo ngamehlo enu.

9Yabona, bawile oobawo likrele; oonyana bethu neentombi zethu nabafazi bethu basekuthinjweni ngenxa yoko.

10Ngoku ke kusentliziyweni yam ukumenzela umnqophiso uYehova uThixo kaSirayeli, kubuye kúthi ukuvutha komsindo wakhe.

11Nyana bam, kungokunje musani ukuhiliza; ngokuba uYehova uninyule, ukuze nime phambi kwakhe, nilungiselele kuye, nibe ngabalungiseleli nabaqhumiseli kuye.

12Basuka ke abaLevi, ooMahati unyana ka-Amasayi, noYoweli unyana ka-Azariya, koonyana bamaKohati; nakoonyana bakaMerari, uKishe unyana ka-Abhedi, noAzariya unyana kaYehaleleli; nakumaGershon, uYowa unyana kaZima, noEden unyana kaYowa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

13koonyana bakaElitsafan, uShimri noYehiyeli; nakoonyana baka-Asafu, uZekariya
noMataniya;

14nakoonyana bakaHeman, uYehiyeli noShimehi; koonyana bakaYedutun, uShemaya
noUziyeli.

15Babahlanganisa ke abazalwana babo, bazingcwalisa, bangena ngokomthetho
wokumkani ngamazwi kaYehova, ukuyihlambulula indlu kaYehova.

16Bángena phakathi kwendlu kaThixo ababingeleli, ukuze bayihlambulule;
bayikhupha yonke into eyinqambi abayifumanáyo etempileni kaYehova, bayisa
entendelezweni yendlu kaYehova. AbaLevi bayithabatha, ukuze bayikhuphele
phandle, bayise emlanjaneni oyiKidron.

17Baqala ukungcwalisa ngomhla wokuqala, ngenyanga yokuqala; ngomhla wesibhozo
wenyanga leyo bafika evarandeni kaYehova. Bayingcwalisa ke indlu kaYehova imihla
esibhozo, bagqiba ngomhla weshumi elinesithandathu wenyanga yokuqala.

18Bangena baya kuHezekiya ukumkani, bathi, Siyihlambulùle indlu yonke kaYehova,
nesibingelelo sedini elinyukayo, neempahla zaso zonke, netafile yezonka
ezicwangciswayo, neempahla zayo zonke.

19Neempahla zonke awazilahlayo uAhazi, ngexa lokulawula kwakhe ngokwenza
ubumenemene, sizilungisile sazingcwalisa; nanzo ziphambi kwesibingelelo
sikaYehova.

20Wavuka kusasa uHezekiya ukumkani, wabahlanganisa abathetheli bawo umzi;
wenyuka waya endlwini kaYehova.

21Bazisa iinkunzi ezintsha zeenkomo zasixhenxe, neenkunzi zeegusha zasixhenxe,
neemvana zasixhenxe, neenkunzi zeebhokhwe zasixhenxe, ukuba zibe lidini lesono
ngenxa yobukumkani, nangenxa yendawo engcwele, nangenxa yamaYuda. Wathi
koonyana baka-Aron, ababingeleli, mabenze amadini anyukayo esibingelelweni
sikaYehova.

22Bazixhela iinkomo, ababingeleli balamkela igazi, balitshiza esibingelelweni;
bazixhela iinkunzi zeegusha, balitshiza igazi esibingelelweni; bazixhela iimvana,
balitshiza igazi esibingelelweni.

23Bazizisa iinkunzi zeebhokhwe zedini lesono phambi kokumkani nebandla,
bacinezela ngezandla zabo phezu kwazo;

24bazixhela ababingeleli, ukuba bawacamagushele amaSirayeli onke, ngokulenza
nyulu igazi lazo esibingelelweni; ngokuba ukumkani ebethe makenzelwe onke
amaSirayeli idini elinyukayo nedini lesono.

25Wabamisa abaLevi endlwini kaYehova, benamacangci, benemirhubhe, beneehadi,
ngokomthetho kaDavide, noGadi imboni yokumkani, noNatan umprofeti; ngokuba
loo mthetho ubungokaYehova ngabaprofeti bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Bema abaLevi benempahla kaDavide, ababingeleli benamaxilongo.

27Wathi uHezekiya, makunyuswe idini elinyukayo esibingelelweni. Lithe lakuqalwa idini elinyukayo, yaqala ingoma kaYehova namaxilongo, ngokokuhlabela kweempahla zikaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

28Lonke ibandla laqubuda, iimvumi zivuma, abavuthelimaxilongo bevuthela; oko konke kwenziwa lada lagqitywa idini elinyukayo.

29Kwakugqitywa ukunyuswa idini elinyukayo, ukumkani nabo bonke abafumaneka benaye, baguqa baqubuda.

30Bathi ooHezekiya ukumkani nabathetheli, mabamdumise uYehova abaLavi ngamazwi kaDavide naka-Asafu imboni. Bamdumisa ke bada bavuya; bathoba, baqubuda.

31Waphendula uHezekiya wathi, Kungokunje nizingcwalisile kuYehova; yizani, nizise imibingelelo neyombulelo endlwini kaYehova. Layizisa ke ibandla imibingelelo neyombulelo; bonke ababeqhutywa yintliziyo, bazisa amadini anyukayo.

32Inani lamadini anyukayo elawazisayo ibandla, lalingamashumi asixhenxe eenkomo, nekhulu leenkunzi zeegusha, namakhulu amabini eemvana. Ezo zonke zaba zezedini elinyukayo kuYehova.

33Ezingcwalisiweyo iinkomo zaba ngamakhulu amathandathu, namawaka amathathu empahla emfutshane.

34Kodwa ababingeleli babembalwa, ababa nakuwahlinza onke amadini anyukayo; bababambisa ke abazalwana babo abaLevi, wada wagqitywa loo msebenzi, bada bazingcwalisa ababingeleli; ngokuba abaLevi babethe tye ngentliziyo ukuzingcwalisa, kunababingeleli.

35Kananjalo amadini anyukayo aba maninzi, enamanqatha emibingelelo yoxolo, neminikelo ethululwayo yawo amadini anyukayo; yaqiniselwa ke inkonzo yendlu kaYehova.

36Ke uHezekiya nabantu bonke bakuvuyela oko uThixo akuqinisele abantu; ngokuba le nto yenziwa ngesiquphe.

IziKronike II 30

1Wathumela uHezekiya kuwo onke amaSirayeli namaYuda; kananjalo wabhala iincwadi eziya kumaEfrayim namaManase, ukuba kuziwe endlwini kaYehova eYerusalem, kwenziwe ipasika kuYehova, uThixo kaSirayeli.

2Ukumkani wacebisana nabathetheli bakhe nebandla lonke eYerusalem, ukuba kwenziwe ipasika ngeyesibini inyanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kuba babengenakuyenza ngexesha elililo; ngokuba ababingeleli baye bengazingcwalisanga ngokwaneleyo, nabantu baye bengazihlanganiselanga eYerusalem.

4Loo ndawo yathi tye emehlweni okumkani, nasemehlweni ebandla lonke.

5Bamisa indawo yokuba lihanjiswe ilizwi kumaSirayeli onke, kuthatyathelwe eBher-shebha, kuse kwaDan, ukuba baze kwenza ipasika kuYehova, uThixo wamaSirayeli, eYerusalem; ngokuba babengayenzanga bebaninzi, njengoko kubhaliweyo.

6Zahamba izigidimi zineencwadi ezivela ezandleni zokumkani nezabathetheli bakhe, zaya kuwo onke amaSirayeli namaYuda, zathi ngokomyalelo wokumkani, Nina, nyana bakaSirayeli, buyelani kuYehova, uThixo, ka-Abraham noIsake noSirayeli, abuyele kwabaseleyo kuni, abasindileyo esandleni sookumkani baseAsiriya.

7Musani ukuba njengooyihlo, nanjengabazalwana benu, abênza ubumenemene kuYehova, uThixo wooyihlo, wabanikela baba yinto yokumangalisa, njengoko nikubonayo.

8Musani ukuyenza lukhuni ngoku intamo yenu, njengooyihlo. Mnikeni uYehova isandla, nize engcweleni yakhe abeyingcwalisile ngonaphakade, nimkhonze uYehova uThixo wenu, kubuye kuni ukuvutha komsindo wakhe.

9Ngokuba, ukuba nithe nabuyela kuYehova, abazalwana benu noonyana benu bofumana imfesane kwababathimbileyo, babuyele kweli lizwe; ngokuba unobabalo, unemfesane uYehova uThixo wenu; akayi kubufihla kuni ubuso bakhe, ukuba nithe nabuyela kuye.

10Izigidimi ezo zathungela imizi ngemizi ezweni lakwaEfrayim nelakwaManase, zesa kwelakwaZebhulon. Bazihleka, bazigculela;

11kodwa amadoda athile akwa-Ashere nawakwaManase nawakwaZebhulon azithoba, eza eYerusalem.

12Kananjalo isandla sikaThixo sabakho kwaYuda, ukuba abanike ntliziyo-nye yokwenza umthetho wokumkani nowabathetheli, ngowelizwi likaYehova.

13Kwahlangana eYerusalem abantu abaninzi, ukuze benze umthendeleko wezonka ezingenagwele ngenyanga yesibini; baba libandla elikhulu kunene.

14Besuka, bazisusa izibingelelo ezibe ziseYerusalem, bazisusa zonke iziqhumiselo, baziphosa emlanjaneni oyiKidron.

15Bayixhela ipasika ngolweshumi elinesiné usuku lweyesibini inyanga. Ababingeleli nabaLevi bazidanela, bazingcwalisa, bazisa amadini anyukayo endlwini kaYehova.

16Bema endaweni yabo ngokwesiko labo, ngokomyalelo kaMoses umfo wakwaThixo; ababingeleli balitshiza igazi layo ipasika, belithabatha esandleni sabaLevi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17ngokuba babebaninzi ebandleni abe bengazingcwalisanga. AbaLevi bamela
ukuxhela ipasika ngenxa yabantu bonke abaziinqambi, ukuba iimvana zingcwaliselwe
kuYehova;

18ngokuba ubuninzi babantu, abaninzi ababevele kwaEfrayim nakwaManase,
kwaIsakare nakwaZebhulon, baye bengazihlambululanga.

19Bayidla ipasika ngokungengamthetho; kodwa uHezekiya wabathandazela, esithi,
Wanga uYehova olungileyo angamxolela elowo uyibhekisé intliziyo yakhe
ekumquqeleni uThixo uYehova, uThixo wooyise, nakuba kungengokwentlambululo
yendawo engcwele.

20UYehova wamva uHezekiya, wabaphilisa abantu.

21Oonyana bakaSirayeli bafunyanwáyo eYerusalem bawenza ke umthendeleko
wezonka ezingenagwele imihla esixhenxe, bevuya kakhulu, bemdumisa uYehova
iimini ngeemini abaLevi nababingeleli, ngeempahla zokumzukisa uYehova.

22UHezekiya wathetha kakuhle nabo abaLevi bonke, ababenokuyiqonda kakuhle
inkonzo kaYehova. Bádla ke umthendeleko imihla esixhenxe, bebingelela
imibingelelo yoxolo, bebulela kuYehova uThixo wooyise.

23Ibandla lonke lacebisana ukwenza nesinye isixhenxe semihla; basenza ke isixhenxe
semihla, bevuya.

24Ngokuba uHezekiya ukumkani wakwaYuda walirhumela ibandla iwaka leenkunzi
ezintsha zeenkomo, namawaka asixhenxe empahla emfutshane; nabathetheli
balirhumela ibandla iwaka leenkunzi ezintsha zeenkomo, namawaka alishumi
empahla emfutshane; bazingcwalisa ababingeleli abaninzi.

25Lavuya lonke ibandla lakwaYuda, nababingeleli nabaLevi, nebandla lonke elavela
kwaSirayeli, nabasemzini, abavela kwaSirayeli kwanabahleli kwaYuda.

26Kwabakho uvuyo olukhulu ke eYerusalem; ngokuba kususela kwiimini zikaSolomon
unyana kaDavide, ukumkani wakwaSirayeli, akuzanga kubekho nto injalo
eYerusalem.

27Besuka bema ababingeleli, abaLevi, babasikelela abantu; ilizwi labo laviwa,
nomthandazo wabo wangena ekhayeni lakhe elingcwele emazulwini.

IziKronike II 31

1Kwakugqitywa konke oko, aphuma onke amaSirayeli afumanekileyo khona, aya
emizini yakwaYuda, aziqhekeza izimiso zamatye, abagawula ooAshera, azidiliza
izigánga nezibingelelo kulo lonke elakwaYuda, nelakwaBhenjamin, nelakwaEfrayim,
nelakwaManase, kwada kwagqitywa. Babuya bonke oonyana bakaSirayeli, elowo
waya elifeni lakhe, emizini yakowabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2UHezekiya wawamisa amaqela ababingeleli nawabaLevi ngokwamaqela abo, elowo ngokomsebenzi wakhe, ababingeleli nabaLevi; wabamiselaamadini anyukayo nemibingelelo yoxolo, ukuba balungiselele, babulele, badumise emasangweni eminquba kaYehova.

3Isabelo sabelo sokumkani sasempahleni yakhe saba sesamadini anyukayo, amadini anyukayo akusasa kwanawangokuhlwa, namadini anyukayo esabatha, nawokuthwasa kwenyanga, nawemithendeleko, ngoko kubhaliweyo emyalelweni kaYehova.

4UHezekiya wathi kubantu, kubemi baseYerusalem, mabanike isabelo sababingeleli nabaLevi, ukuze babambelele emyalelweni kaYehova.

5Lakuvakala elo lizwi, oonyana bakaSirayeli bazisa into eninzi yeziqhamo zokuqala zengqolowa, newayini, neoli, nobusi, nolibo lonke lwamasimi, bazisa kakhulu isishumi sezinto zonke.

6Oonyana bakaSirayeli nabakaYuda, abahleliyo emizini yakwaYuda, nabo bazisa isishumi seenkomo, nesempahla emfutshane, nesishumi sezinto ezingcwele, ezibe zingcwaliselwe uYehova uThixo wabo, bazibeka iimfumba ngeemfumba.

7Baqala ngenyanga yesithathu ukuzenza iimfumba, bagqiba ngenyanga yesixhenxe.

8Beza ooHezekiya nabathetheli, bazibona iimfumba ezo, babulela kuYehova nakubantu bakhe amaSirayeli.

9Wababuza uHezekiya ababingeleli nabaLevi ngeemfumba ezo.

10Wathi uAzariya umbingeleli oyintloko, owendlu kaTsadoki, kuye, Kuseloko kwaqalwayo ukuziswa imirhumo endlwini kaYehova, sidé sahlutha, sashiya kakhulu; ngokuba uYehova ubasikelele abantu bakhe; le nto ingaka yeseleyo.

11Wathi uHezekiya, Makulungiswe amagumbi endlwini kaYehova;

12bazilungisa ke, bawungenisa umrhumo, nezishumi, nezinto ezingcwalisiweyo ngokukholekileyo. Umphathi wazo ibiyingànga uKonaniya umLevi, noShimehi umninawa wakhe, obengowesibini;

13noYehiyeli, noAzaziya, noNahati, noAsaheli, noYerimoti, noYozabhadi, noEliyeli, noIsemakiya, noMahati, noBhenaya, bengabaveleli phantsi kwesandla sikaKonaniya noShimehi umninawa wakhe, ngommiselo kaHezekiya ukumkani, noAzariya ingànga yendlu kaThixo.

14UKore unyana kaImna, umLevi, ongowesango lasempumalanga, ubemele iminikelo kaThixo yabaqhutywa yintliziyo, ukuba awabe umrhumo kaYehova nezinto eziyingcwele kanye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ngaphantsi kwesandla sakhe ibinguEden, noMinyamin, noYeshuwa, noShemaya, noAmariya, noShekaniya, emizini yababingeleli, ngokunyanisa, ukuba babele abazalwana babo ngamaqela, abakhulu kwanjengabancinane;

16iyodwa into eyindoda ebhalwe emilibeni yokuzalwa, ethabathele kominyaka mithathu ezelwe kwenyusa, kubo bonke abangenáyo endlwini kaYehova ukwamkela into yemini, ngangemini yayo, yomsebenzi wabo, ezigxineni zabo ngokwamaqela abo.

17Ukubhalwa kwababingeleli emilibeni yokuzalwa kube kungokwezindlu zooyise; nabaLevi bebesezigxineni zabo ngokwamaqela abo, bathabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe kwenyusa;

18ukuba kwabelwe iintsatshana zabo zonke ezibhaliweyo emilibeni yokuzalwa, abafazi babo, noonyana babo, neentombi zabo, kwibandla lonke. Ngokuba ngokunyanisa kwabo bazingcwalisa ke ngezinto ezingcwele.

19Nangenxa yoonyana baka-Aron ababingeleli, ababesemhlabeni wamadlelo emizi yabo, emizini ngemizi yonke, kube kukho amadoda axeliweyo ngamagama, okuyabela izabelo into yonke eyindoda kubabingeleli, nabo bonke ababhaliweyo emilibeni yokuzalwa kubaLevi.

20Wenjenjalo uHezekiya kumaYuda onke; wenza okulungileyo, nokuthe tye, nokunyanisileyo, phambi koYehova uThixo wakhe;

21nasemsebenzini, nokuba nguwuphi, awawuqalayo wenkonzo yendlu kaThixo, nomyalelo, nomthetho, ukuba amquqele uThixo wakhe, wawenza ngentliziyo yakhe yonke, waphumelela.

IziKronike II 32

Imihla yokugqibela yolawulo lukaHezekiya

1Emveni kwezi zinto noku kunyanisa, weza uSaneribhe, ukumkani waseAsiriya, walingenela elakwaYuda, wangqinga imizi enqatyisiweyo; wathi uya kuzigqobhozela.

2Wathi uHezekiya, akubona ukuba uyeza uSaneribe, ubuso bakhe ebubhekise ekulweni neYerusalem,

3wacebisana nabathetheli bakhe namagorha akhe, ukuba bawavale amanzi emithombo engaphandle komzi; bamnceda ke.

4Kwabuthelana abantu abaninzi, bawavala onke amaso emithombo, nomlanjana obuqukuqela phakathi kwelizwe; bathi, Yini na ukuba ookumkani baseAsiriya beze bafumane amanzi amaninzi?

5Wazomeleza, walwakha lonke udonga olwaludiliziwe, wenyusa iinqaba ezinde phezu kwalo, wákha nolunye udonga ngaphandle, wayiqinisela iMilo yomzi kaDavide, wenza izikhali neengweletshetshe ezininzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wamisa abathetheli bemfazwe phezu kwabantu; wababuthela kuye endaweni yembutho yasesangweni lomzi, wathetha kakuhle nabo, wathi,

7Yomelelani nikhaliphe; musani ukoyika; musani ukuqhiphuka umbilini ngukumkani waseAsiriya, nayingxokolo yonke anayo, ngokuba baninzi abangakuthi, phezu kwabangakuye.

8Okunaye yingalo yenyama, okunathi nguYehova uThixo wethu, ukuba asincede, alwe amadabi ethu. Abantu bayama emazwini kaHezekiya ukumkani wakwaYuda.

9Emveni koko uSaneribhe ukumkani waseAsiriya wathumela eYerusalem abakhonzi bakhe (yena engaseLakishe, enabalawuli bakhe bonke), kuHezekiya ukumkani wakwaYuda, nakumaYuda onke aseYerusalem, esithi,

10Utsho uSaneribhe ukumkani waseAsiriya, ukuthi, Nikholosé ngantoni na, nihleli nje ekungqingweni eYerusalem?

11Àkanilahlekisi uHezekiya yini na, ukuba aninikele ekufeni yindlala nakukunxanwa, ngokuthi oku, UYehova uThixo wenu wonihlangula esandleni sokumkani waseAsiriya?

12AsinguHezekiya na lo uzisusileyo izigànga zakhe nezibingelelo zakhe, wathi kumaYuda nakwiYerusalem, Qubudani phambi kwasibingelelo sinye, niqhumisele phezu kwaso?

13Aniyazi na into endayenzayo, mna noobawo, ezizweni zonke zamazwe la? Bába nako nokuba nako na oothixo beentlanga zamazwe la, ukuwahlangula amazwe azo esandleni sam?

14Nguwuphi na koothixo bonke bezo ntlanga, bàzisingela phantsi oobawo, owaba nako ukubahlangula abantu bakhe esandleni sam, ukuba abe nako uThixo wenu ukunihlangula esandleni sam?

15Ke ngoko makanganilukuhli uHezekiya, makanganikhohlisi ngokunjalo. Musani ukukholwa nguye; ngokuba akubangakho namnye uthixo wazo zonke iintlanga nezikumkani, owaba nako ukuhlangula abantu bakhe esandleni sam, nasesandleni soobawo; wobeka phi na ke yena uThixo wenu? Akayi kunihlangula esandleni sam.

16Babuya bathetha abakhonzi bakhe ngoYehova uThixo, nangoHezekiya umkhonzi wakhe.

17Wabhala incwadi yokumngcikiva uYehova uThixo kaSirayeli, ethetha ngaye esithi, Njengokuba oothixo beentlanga zamazwe bengabahlangulanga abantu babo esandleni sam, ngokunjalo akayi kubahlangula noThixo kaHezekiya abantu bakhe esandleni sam.

18Bámemeza ngelizwi elikhulu ngesiYuda ebantwini baseYerusalem ababeseludongeni, beboyikisa, bebaphelisa amandla, ukuze bawuthimbe loo mzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Bathetha ngoThixo weYerusalem njengoothixo bezizwe zehlabathi, umsebenzi wezandla zabantu.

20Bathandaza ke uHezekiya ukumkani, noIsaya unyana ka-Amotsi, umprofeti, ngenxa yoko; bakhala, basingisa emazulwini.

21UYehova wathuma isithunywa sezulu, sawenza athi shwaka onke amagorha anobukroti, neengànga, nabathetheli, emkhosini wokumkani waseAsiriya. Wabuya, ubuso bakhe buthe khunubembe, waya ezweni lakhe. Wangena endlwini yothixo wakhe; bathi ababephume ezibilinini zakhe bamwisa khona ngekrele.

22UYehova wamsindisa ke uHezekiya nabemi baseYerusalem esandleni sikaSaneribhe ukumkani waseAsiriya, nasesandleni sabangabambi; wabakhusela ngeenxa zonke.

23Baba baninzi abazisa umnikelo kuYehova eYerusalem, nezinto ezinqabileyo kuHezekiya ukumkani wakwaYuda. Waphakanyiswa emehlweni eentlanga zonke emveni koko.

24Ngezo mini wayesifa uHezekiya, wayeza kufa, wathandaza kuYehova; wathetha naye, wamnika umqondiso.

25Ke uHezekiya akabuyekezanga njengokuphathwa kwakhe; ngokuba intliziyo yakhe yaphakama. Bafikelwa buburhalarhume, yena namaYuda neYerusalem.

26Wazithoba uHezekiya ekuphakameni kwentliziyo yakhe, yena nabemi baseYerusalem; àbababafikela ngemihla kaHezekiya uburhalarhume bukaYehova.

27UHezekiya ubenobutyebi nozuko olukhulu kunene, wazenzela izindlu zobuncwane besilivere, nobegolide, nobamatye anqabileyo, nobobulawu, nobeengweletshetshe, nobeempahla zonke ezinqwenelekayo,

28noovimba bendyebo yengqolowa, neyewayini, neyeoli, nezitali zeentlobo zonke zeenkomo, nezibaya zemihlambi.

29Wazenzela imizi yabalusi bemfuyo yempahla emfutshane, neyeenkomo ezininzi; ngokuba uThixo ubemnike impahla eninzi kunene.

30UHezekiya lo walivala ithende eliphezulu lamanzi aseGihon, wawahambisa ngaphantsi, esinga ngasentshonalanga komzi kaDavide. UHezekiya waphumelela emsebenzini wakhe wonke.

31Kodwa ke emcimbini wabathunywa abangamakhumsha, abathetheli baseBhabheli, ababethunyiwe kuye, bebuzisa ngesimanga esabakho ezweni lakhe, uThixo wamshiya, ukuba amlinge, ákwazi konke okusentliziyweni yakhe.

32Ezinye izinto zikaHezekiya, nokwenza kwakhe ngenceba, nanko kubhaliwe embonweni kaIsaya unyana ka-Amotsi, umprofeti, encwadini yookumkani bakwaYuda nabakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33UHezekiya walala kooyise; bamngcwabela endulini yamangcwaba oonyana bakaDavide. Amzukisa ekufeni kwakhe amaYuda nabemi baseYerusalem. UManase, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

IziKronike II 33

Ulawulo lukaManase noluka-Amon

1UManase ubeminyaka ilishumi linamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka emashumi mahlanu anamihlanu engukumkani eYerusalem.

2Wenza okubi emehlweni kaYehova, ngokwamasikizi eentlanga awazigqogqayo uYehova phambi koonyana bakaSirayeli.

3Wabuya wazakha izigánga, awazidilizayo uHezekiya uyise; wabamisela ooBhahali izibingelelo, wenza ooAshera, wawunqula umkhosi wonke wezulu, wawukhonza.

4Wazakha izibingelelo endlwini kaYehova, awathi uYehova, KuseYerusalem apho liya kuba khona igama lam ngonaphakade.

5Wawakhela izibingelelo wonke umkhosi wezulu ezintendelezweni zombini zendlu kaYehova.

6Yena wabacandisa oonyana bakhe emlilweni, emfuleni wakwaBhen-hinom, waba litola, wahlaba izihlabo, wakhafula, wamisa abaneshologu noosiyazi, wakwandisa ukwenza okubi emehlweni kaYehova, ukuba amqumbise.

7Wawumisa umfanekiso oqingqiweyo abewenzile, endlwini kaThixo, awathi uThixo kuDavide nakuSolomon unyana wakhe, Kuyo le ndlu naseYerusalem, endiyinyulileyo ezizweni zonke zakwaSirayeli, ndiya kulibeka khona igama lam ngonaphakade,

8ndingaphindi ndilususe unyawo lwamaSirayeli emhlabeni endawumisela ooyihlo; kodwa mababe bayakugcina ukukwenza konke endibawisele umthetho ngako, ngokomyalelo wonke nemimiselo namasiko, ngesandla sikaMoses.

9Ke uManase wawalahlekisa amaYuda nabemi baseYerusalem, ukuba benze okubi, ngaphezu kweentlanga awazitshabalalisayo uYehova phambi koonyana bakaSirayeli.

10UYehova wathetha kuManase nakubantu bakhe; àbaphulaphula.

11UYehova wabafikisela abathetheli bomkhosi wokumkani waseAsiriya; bambamba uManase ngamakhonkco, bamkhonkxa ngamakhamandela obhedu, bamsa eBhabheli.

12Ekubandezelweni kwakhe wambongoza uYehova uThixo wakhe, wazithoba kakhulu phambi koThixo wooyise.

13Wathandaza kuye, wathandazeka yena nguye, wakuva ukutarhuzisa kwakhe, wambuyisela eYerusalem ebukumkanini bakhe. Wazi ke uManase ukuba uYehova nguye onguThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Emveni koko wákha udonga olungaphandle lomzi kaDavide ngasentshonalanga,
lwaya eGihon esihlanjeni, lwaya ekungeneni ngesango leentlanzi, wayizunguleza
iOfele, waluphakamisa kakhulu. Wamisa abathetheli bempi emizini yonke
enqatyisiweyo kwaYuda.

15Wabasusa oothixo bolunye uhlanga nemifanekiso endlwini kaYehova, nezibingelelo
zonke abezakhé entabeni yendlu kaYehova, naseYerusalem; waziphosa ngaphandle
komzi.

16Wákha isibingelelo sikaYehova, wabingelela phezu kwaso imibingelelo yoxolo
neyombulelo; wathi kumaYuda makamkhonze uYehova, uThixo kaSirayeli.

17Abantu bebesabingelela noko ezigangeni; kodwa babingelela ke kuYehova uThixo
wabo yedwa.

18Ezinye izinto zikaManase, nomthandazo wakhe kuThixo, nokuthetha kweemboni
ezibe zithetha kuye egameni likaYehova, uThixo kaSirayeli, nanzo zisemicimbini
yookumkani bakwaSirayeli.

19Nomthandazo wakhe, nokuthandazeka kukaThixo nguye, nezono zakhe,
nokumeneza kwakhe, neendawo awakhela kuzo izigánga, wamisa ooAshera
nemifanekiso eqingqiweyo, engekazithobi, nanzo zibhaliwe emicimbini kaHozayi.

20UManase walala kooyise, wangcwatyelwa endlwini yakhe, uAmon, unyana wakhe,
waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

21UAmon ubeminyaka imashumi mabini anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani
kwakhe; waba neminyaka emibini engukumkani eYerusalem.

22Wenza okubi emehlweni kaYehova, njengoko wenza ngako uManase uyise. UAmon
wabingelela kwimifanekiso yonke eqingqiweyo awayenzayo uManase uyise,
wayikhonza.

23Akazithobanga phambi koYehova, njengoko wazithobayo uManase uyise; ke yena
lo Amon walikhulisa ityala.

24Abakhonzibakhebamceba, bambulala endlwini yakhe.

25Abantu belizwe bababulala bonke abacebi abo bokumkani uAmon. Abantu belizwe
bemenza ukumkani uYosiya, unyana wakhe, esikhundleni sakhe.

IziKronike II 34

Ulawulo lukaYosiya

1UYosiya ubeminyaka isibhozo ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka
emashumi mathathu anamnye engukumkani eYerusalem.

2Wenza okuthe tye emehlweni kaYehova, wahamba ngeendlela zikaDavide uyise,
akatyekela ngasekunene nangasekhohlo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ngomnyaka wesibhozo wobukumkani bakhe, esemncinane, waqala wamquqela uThixo kaDavide uyise, nangomnyaka weshumi elinesibini waqala wawahlambulula amaYuda neYerusalem, kwizigánga, nooAshera, nemifanekiso eqingqiweyo netyhidiweyo.

4Bazidiliza phambi kwakhe izibingelelo zooBhahali, neentsika zelanga ezibe ziphezu kwazo, wazigawula; ooAshera nemifanekiso eqingqiweyo netyhidiweyo wayaphula, wayicola yaluthuli, wayisasaza phezu kwamangcwaba âbo babebingelele kuyo.

5Wawatshisa amathambo ababingeleli phezu kwezibingelelo zabo, wawahlambulula ke amaYuda neYerusalem.

6Nasemizini yakwaManase neyakwaEfrayim neyakwaSimon, kwesa kweyakwaNafetali, emanxuweni azo ngeenxa zonke,

7wazidiliza izibingelelo, wabaqoba ooAshera nemifanekiso eqingqiweyo, wayicola yaluthuli; wazigawula zonke iintsika zelanga ezweni lonke lakwaSirayeli, wabuyela eYerusalem.

8Ngomnyaka weshumi elinesibhozo wobukumkani bakhe, ekulihlambululeni kwakhe ilizwe elo nendlu leyo, wathuma uShafan unyana ka-Atsaliya, noMahaseya umphathi womzi, noYowa unyana kaYowahazi, umkhumbuzi wezinto zakomkhulu, ukuba bayihlaziye indlu kaYehova uThixo wakhe.

9Beza kuHilekiya umbingeleli oyintloko, bayinikela imali ebizisiwe endlwini kaThixo, abayibuthâyo abaLevi, abagcini-mnyango, eyabe ivele esandleni samaManase namaEfrayim, nakumaqongqolo onke akwaSirayeli, nakuwo onke amaYuda namaBhenjamin; babuyela eYerusalem.

10Bayinikela esandleni sabenzi bomsebenzi, ababephethe indlu kaYehova; bayinikela kubenzi bomsebenzi ababesebenza endlwini kaYehova, ukuba bayilungise bayihlaziye indlu leyo;

11bayinikela ke kwiingcibi zemithi nakubakhi, ukuba kuthengwe amatye axholiweyo, nemithi yemiqadi yokuhlanganisa, neyophahla lwezindlu, ababeziwisile ookumkani bakwaYuda.

12Amadoda lawo ebesebenza kuloo msebenzi enyanisekile; abaphathi bawo nguYahati no-Obhadiya, abaLevi, bakoonyana bakaMerari; noZekariya noMeshulam, bakoonyana bakaKehati, abokongamela; nabaLevi bonke abo baziqondayo iimpahla zokuvuma.

13Babephethe abathwali bemithwalo, bebongamele bonke abasebenzi bomsebenzi ngomsebenzi; abanye abaLevi babengababhali namagosa nabamasango.

14Ekuyikhupheni kwabo imali ebiziswe endlwini kaYehova, uHilekiya umbingeleli wayifumana incwadi yomyalelo kaYehova, eyabhalwa ngesandla sikaMoses.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Waphendula uHilekiya, wathi kuShafan umbhali, Ndiyifumene incwadi leyo yomyalelo endlwini kaYehova. UHilekiya wayinika uShafan le ncwadi.

16UShafan wayizisa incwadi kukumkani; kanjako wambuyisela ilizwi ukumkani esithi, Konke obekunikelwe esandleni sabakhonzi bakho, bayakwénza;

17bayikhuphéle imali eyafumanekayo endlwini kaYehova, bayinikela esandleni sabaphathi, nasesandleni sabenzi bomsebenzi.

18UShafan umbhali waxela kukumkani esithi, UHilekiya umbingeleli undiniké incwadi. Wayilesa uShafan phambi kokumkani.

19Kwathi akuweva ukumkani amazwi omyalelo, wasuka wazikrazula iingubo zakhe.

20Ukumkani wabawisela umthetho ooHilekiya, noAhikam unyana kaShafan, noAbhedon unyana kaMika, noShafan umbhali, noAsaya umkhonzi wokumkani, esithi,

21Yiyani nibuzise kuYehova ngenxa yam, nangenxa yamasalela akwaSirayeli nakwaYuda, malunga namazwi ale ncwadi ifunyenweyo; ngokuba bukhulu ubushushu bukaYehova, obuphalazelwe phezu kwethu, ngenxa enokuba oobawo bengaligcinanga ilizwi likaYehova, ukuba benze njengoko konke kubhaliweyo kule ncwadi.

22Waya ke uHilekiya nabakwakumkani kuHulida umprofetikazi, umkaShalum unyana kaTokeha, unyana kaHasera, umgcini-ngubo; waye yena ehleli eYerusalem kwesesibini isahlulo sayo. Bathetha kuye ngolo hlobo.

23Wathi kubo, Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Nòthi kuloo ndoda inithumileyo kum,

24Útsho uYehova ukuthi, Yabona ndiyizisela le ndawo nabemi bayo ububi, zonke iziqalekiso ezibhaliweyo encwadini, abayilesileyo phambi kokumkani wakwaYuda;

25ngethuba lokuba bandishiyáyo, baqhumisela thixweni bambi, ukuze bandiqumbise ngomsebenzi wonke wezandla zabo; ngoko bophalazwa ke ubushushu bam kule ndawo, bungabi nakucinywa.

26Ke kukumkani wakwaYuda, onithume ukuba nibuzise kuYehova, nòtsho kuye ukuthi, Útsho uYehova uThixo kaSirayeli, ukuthi, Okwalá mazwi uwavileyo,

27ngokokuba ibithambile intliziyo yakho, wasuka wazithoba ebusweni bukaThixo ekuweveni kwakho amazwi akhe, malunga nale ndawo nabemi bayo; wazithoba phambi kwam, wazikrazula iingubo zakho, walila phambi kwam: nam ndikuvile; utsho uYehova.

28Uyabona, ndiya kukuhlanganisela kooyihlo, uhlanganiselwe engcwabeni lakho unoxolo, angabuboni amehlo akho bonke ububi, endiyizisela bona le ndawo, nabemi bayo. Bambuyisela ke ilizwi ukumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Wathumela ukumkani, kwahlanganiswa onke amadoda amakhulu akwaYuda neYerusalem.

30Wenyuka ukumkani waya endlwini kaYehova, namadoda onke akwaYuda, nabemi baseYerusalem, nababingeleli, nabaLevi, nabantu bonke, kwathabathela komkhulu kwesa komncinane. Wawalesela ezindlebeni zabo onke amazwi encwadi yomnqophiso, eyafunyanwa endlwini kaYehova.

31Wema ukumkani phezu kwendawo yakhe ephakamileyo, wenza umnqophiso phambi koYehova wokulandela uYehova nokugcina imithetho yakhe, nezingqino zakhe, nemimiselo yakhe, ngentliziyo yakhe yonke, nangomphefumlo wakhe wonke, ukuba enze amazwi aloo mnqophiso abhaliweyo kule ncwadi.

32Wabamisa kuwobonke abafumanekáyo eYerusalem nakwaBhenjamin. Abemi baseYerusalem benza ke ngokomnqophiso kaThixo, uThixo wooyise.

33UYosiya wawasusa onke amasikizi emazweni onke, angawoonyana bakaSirayeli, wabakhonzisa bonke abafumanekáyo kwaSirayeli, ukuba bakhonze uYehova uThixo wabo. Àbatyekanga ekumlandeleni uYehova, uThixo wooyise yonke imihla yakhe.

IziKronike II 35

1UYosiya wênza ipasika kuYehova eYerusalem; bayixhela ipasika ngosuku lweshumi elinesiné lwenyanga yokuqala.

2Wabamisa ababingeleli phezu kwezigxina zabo, wabomelezela enkonzweni yabo yendlu kaYehova.

3Wathi kubaLevi ababeqondisa onke amaSirayeli, ababengcwele kuYehova, Yibekeni ityeya engcwele endlwini, awayakhayo uSolomon unyana kaDavide; ukumkani wakwaSirayeli; aniyi kuyithwala emagxeni. Mkhonzeni kaloku uYehova uThixo wenu, nabantu bakhe amaSirayeli.

4Zilungiseni ngokwezindlu zooyihlo, ngokwamaqela enu, ngokwesibhalo sikaDavide ukumkani wakwaSirayeli, nangokwesibhalo sikaSolomon unyana wakhe;

5nithi engcweleni nimele izahlulo zezindlu zooyise zabazalwana benu, oonyana babantu, iqela eli labaLevi limèle indlu enye yooyise.

6Nize niyixhele ipasika, nizingcwalise, niyilungisele abazalwana benu, kwenziwe ngokwelizwi likaYehova ngesandla sikaMoses.

7UYosiya wabarhumela oonyana babantu, bonke abafunyanwayo khona, impahla emfutshane, iimvana, namatakane eebhokhwe, onke láwo angawepasika, engamawaka amashumi mathathu inani; namawaka amathathu eenkomo. Konke oko kwaphuma kwimfuyo yokumkani.

8Abathetheli bakhe babarhumela abantu nababingeleli nabaLevi iminikelo yabaqhutywa yintliziyo. UHilekiya, noZekariya, noYehiyeli, iingànga zendlu kaThixo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

babanika ababingeleli amawaka amabini anamakhulu mathandathu amatakane angawepasika, namakhulu amathathu eenkomo.

9UKonaniya noShemaya, noNataniyeli, abazalwana bakhe, noHashabhiya, noYehiyeli, noYozabhadi, abathetheli babaLevi, babarhumela abaLevi amawaka amahlanu amatakane angawepasika, namakhulu omahlanu eenkomo.

10Yalungiswa ke inkonzo leyo; bema ababingeleli ezindaweni zabo, abaLevi emaqeleni abo, ngokomthetho wokumkani.

11Bayixhela ipasika; ababingeleli bathabatha igazi ezandleni zabo, balitshiza, abaLevi bahlinza.

12Bakususa okwamadini anyukayo, ukuba kunikelwe kwizahlulo zezindlu zooyise zoonyana babantu, kusondezwe kuYehova, njengoko kubhaliweyo encwadini kaMoses. Benjenjalo nangeenkomo.

13Bayosa ipasika ngomlilo ngokwesiko; izinto ezingcwalisiweyo bazipheka ngeembiza, nangongxawu, nangeepani, bagidimisa koonyana bonke babantu.

14Emveni koko bazilungisela ngokwabo kwanababingeleli; ngokuba ababingeleli, oonyana baka-Aron, babenyusa amadini anyukayo namaqatha, kude kube sebusuku. Ke abaLevi bazilungisela ngokwabo kwanababingeleli, oonyana baka-Aron.

15Iimvumi, oonyana baka-Asafu, zibe zisezindaweni zazo ngokomthetho kaDavide, noAsafu, noHeman, noYedutun imboni yokumkani; nabamasango emasangweni ngamasango babengesuki enkonzweni yabo; ngokuba abazalwana babo abaLevi babebalungisela.

16Yalungiswa ke yonke inkonzo kaYehova, ngaloo mini yokwenza ipasika, nokunyusa amadini anyukayo esibingelelweni sikaYehova, ngokomthetho wokumkani uYosiya.

17Oonyana bakaSirayeli ababekho bayenza ipasika ngelo xesha, nomthendeleko wezonka ezingenagwele, imihla esixhenxe.

18Bekungazanga kwenziwe pasika ngokwaleyo kwaSirayeli, kususela kwimihla kaSamuweli umprofeti. OoKumkani bonke bakwaSirayeli abazanga benzé pasika, ngokwaloo pasika wayenzáyo uYosiya, nababingeleli, nabaLevi, nawo onke amaYuda namaSirayeli abekhona, nabemi baseYerusalem.

19Kwaba ngomnyaka weshumi elinesibhozo wobukumkani bukaYosiya, ukwenziwa kwaloo pasika.

20Emveni kwako konke ukuyilungisa kukaYosiya indlu leyo, kwenyuka uNeko, ukumkani waseYiputa, eza kulwa neKarkemishe ngase-Efrati; uYosiya waphuma, waya kulwa naye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Wathuma abathunywa kuye, wathi, Yintoni na enam nawe, kumkani wakwaYuda?
Andizé kulwa nawe namhla; ndize endlwini endilwa nayo; uThixo uthe
mandikhawulezise; mkhwelele uThixo onam, angàkutshabalalisi.

22Ke uYosiya akabusonganga ubuso bakhe kuye; wazenza mntu wumbi, ukuba alwe
naye; akawaphulaphula amazwi kaNeko, aphuma emlonyeni kaThixo; weza kulwa
esihlanjeni saseMegido.

23Abatoli bamtola ukumkani uYosiya; wathi ukumkani kubakhonzi bakhe,
Ndishenxiseni, ngokuba ndingxwelerhwe kakubi.

24Abakhonzi bakhe bamthula enqwelweni, bamkhwelisa kweyesibini inqwelo
abenayo, bamsa eYerusalem; wafa, wangcwatyelwa emangcwabeni ooyise. Onke
amaYuda neYerusalem amenzela isijwili uYosiya.

25UYeremiya wamenzela isimbonono uYosiya; zathetha zonke iimvumi
neemvumikazi ezimbononweni zazo ngoYosiya, unanamhla. Bazenza ummiselo
kwaSirayeli; nanzo zibhaliwe ezimbononweni.

26Ezinye izinto zikaYosiya, nokwenza kwakhe inceba, njengoko kubhaliweyo
emyalelweni kaYehova,

27nezinto zakhe ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibhaliwe encwadini yookumkani
bakwaSirayeli nabakwaYuda.

IziKronike II 36

Ulawulo lwabanye ookumkani, nokuwa kweYerusalem

1Abantu belizwe bathabatha uYehowahazi, unyana kaYosiya, bamenza ukumkani
esikhundleni sikayise eYerusalem.

2UYehowahazi ubeminyaka imashumi mabini anamithathu ezelwe, ukuba
ngukumkani kwakhe; waba neenyanga ezintathu engukumkani eYerusalem.

3Ukumkani waseYiputa wamguzula eYerusalem, walihlawulisa ilizwe ikhulu
leetalente zesilivere netalente yegolide.

4Ukumkani waseYiputa wamenza uEliyakim, umkhuluwa wakhe, ukuba abe
ngukumkani kwaYuda neYerusalem, waliguqula igama lakhe laba nguYehoyakim.
UNeko wamthabatha uYehowahazi, umninawa wakhe, wamsa eYiputa.

5UYehoyakim ubeminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani
kwakhe; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani eYerusalem. Wenza
okubi emehlweni kaYehova uThixo wakhe.

6Wenyuka uNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli, wameyisa, wamkhonkxa
ngamakhamandela obhedu, ukuba amse eBhabheli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7UNebhuka denetsare wayisa inxenye yempahla yendlu kaYehova eBhabheli, wayibeka etempileni yakhe eBhabheli.

8Ezinye izinto zikaYehoyakim, namasikizi akhe awawenzayo, nokwafumanekayo kukuye, nanko kubhaliwe encwadini yookumkani bakwaSirayeli nabakwaYuda. Waba ngukumkani uYehoyakin, unyana wakhe, esikhundleni sakhe.

9UYehoyakin ubeminyaka isibhozo ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neenyanga ezintathu ezineentsuku ezilishumi engukumkani eYerusalem; wenza okubi phambi koYehova.

10Ekuveleni komnyaka, ukumkani uNebhukadenetsare wathumela wamzisa eBhabheli, kunye neempahla ezinqwenelekayo zendlu kaYehova; wenza uZedekiya, umninawa wakhe, ukuba abe ngukumkani kwaYuda naseYerusalem.

11UZedekiya ubeminyaka imashumi mabini anamnye ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani eYerusalem.

12Wenza okubi phambi koYehova uThixo wakhe, akazithoba ebusweni bukaYeremiya umprofeti, obethetha okwasemlonyeni kaYehova.

13Kananjalo wagwilika kukumkani, kuNebhukadenetsare, obemfungise uThixo; waba ngontamo ilukuni, wayenza ingqoshomba intliziyo yakhe, ukuze angabuyeli kuYehova, uThixo wakwaSirayeli.

14Kananjalo bonke abathetheli bababingeleli nabantu bandisa ukwenza ubumenemene ngokwamasikizi onke eentlanga; bayenza inqambi indlu kaYehova, awayingcwalisayo eYerusalem.

15UYehova, uThixo wooyise, wathumela kubo ngabathunywa bakhe, wanyameka ukuthumela; ngokuba wayenemfesane ngabantu bakhe, nekhaya lakhe.

16Baye bebagculela abathunywa bakaThixo, bewadela amazwi akhe, bebagxeka abaprofeti bakhe, bada benyuka ubushushu bukaYehova, beza kubantu bakhe, kwada akwabakho mpilo.

17Wabanyusela ukumkani wamaKaledi; wawabulala amadodana abo ngekrele endlwini yabo engcwele, àkaconga ndodana nantombi, nandoda inkulu naxhego; bonke wabanikela esandleni sakhe.

18Zonke iimpahla zendlu kaThixo, ezinkulu nezincinane, nobuncwane bendlu kaYehova, nobuncwane bokumkani, nobabathetheli bakhe, zonke ezo zinto wazisa eBhabheli.

19Bayitshisa indlu kaThixo, baludiliza udonga lwaseYerusalem, bawatshisa ngomlilo onke amabhotwe ayo; bazitshabalalisa zonke iimpahla zayo ezinqwenelekayo.

20Wabafudusela eBhabheli abasindileyo ekreleni; baba ngabakhonzi kuye nakoonyana bakhe, bada bangena ubukumkani bamaPersi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

21ukuba lizaliseke ilizwi likaYehova ngomlomo kaYeremiya, lide ilizwe lanele
ziisabatha zalo; ngayo yonke imihla yokuba senkangala kwalo, laphumla, ukuba
kuzaliswe iminyaka emashumi asixhenxe.

22Ke kaloku ngowokuqala umnyaka kaKoreshi, ukumkani wasePersi, ukuze kuzaliseke
ilizwi likaYehova ngomlomo kaYeremiya, uYehova wawuxhokonxa umoya kaKoreshi
ukumkani wasePersi, wahambisa izwi ebukumkanini bakhe bonke, walibhala esithi,

23Utsho uKoreshi ukumkani wasePersi ukuthi, Zonke izikumkani zehlabathi uzinike
mna uYehova, uThixo wamazulu. Yena undiyalele ukuba ndimakhele indlu
eYerusalem ekwaYuda. Ubani ophakathi kwenu ebantwini bakhe bonke, uYehova
uThixo wakhe makabe naye, anyuke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UEzra

UEzra 1

UKoreshi uyawavumela amaYuda abuyele eYerusalem

1Ke kaloku ngowokuqala umnyaka kaKoreshi, ukumkani wasePersi, ukuze kuzaliseke
ilizwi likaYehova ngomlomo kaYeremiya, uYehova wawuxhokonxa umoya kaKoreshi,
ukumkani wasePersi; wahambisa izwi ebukumkanini bakhe bonke, walibhala, esithi,

2Utsho uKoreshi ukumkani wasePersi, ukuthi, Zonke izikumkani zehlabathi uziniké
mna uYehova, uThixo wamazulu. Yena undiyalele ukuba ndimakhele indlu
eYerusalem, ekwaYuda.

3Ubani ophakathi kwenu, ebantwini bakhe bonke, uThixo wakhe makabe naye,
anyuke aye eYerusalem ekwaYuda, ayakhe indlu kaYehova, uThixo kaSirayeli (nguye
uThixo), eseYerusalem.

4Onke amasalela, ezindaweni zonke aphambukéle kuzo, makancedwe ngamadoda
aloo ndawo akuyo ngesilivere, negolide, nempahla, neenkomo, kunye nomnikelo
wabaqhutywa yintliziyo, wendlu kaThixo eseYerusalem.

5Zesuka ke iintloko zezindlu zooyise zakwaYuda, nezakwaBhenjamin,
nezababingeleli, nezabaLevi, bonke abo uThixo wawuxhokonxayo umoya wabo,
ukuba banyuke, baye kuyakha indlu kaYehova eseYerusalem.

6Bonke ababebangqongile babancedisa ngezitya zesilivere, nangegolide,
nangempahla, nangeenkomo, nangezinto ezinqabileyo; ngaphandle kwazo zonke
ezibe zinikwe ngabantu ngokuqhutywa yintliziyo.

7Ke ukumkani uKoreshi wazirhola iimpahla zendlu kaYehova, awayezithabathe
eYerusalem uNebhukadenetsare, wazibeka endlwini yoothixo bakhe.

8UKoreshi ukumkani wasePersi wazirhola, wazinikela kuMitredati, umgcinindyebo,
wazibalela kuSheshbhatsare, isikhulu sakwaYuda.

9Lilo eli inani lazo: izitya zegolide zamashumi mathathu, izitya zesilivere zaliwaka,
iinkamba zamashumi mabini anesithoba,

10iindebe zegolide zamashumi mathathu, iindebe zesilivere zohlobo lwesibini
zamakhulu mané anashumi linye, iimpahla ezizimbi zaliwaka.

11Zonke iimpahla zegolide nezesilivere zaba mawaka mahlanu anamakhulu amané.
Zonke ezo nto wazinyusa uSheshbhatsare, ekunyusweni kwababethinjelwe
eBhabheli, beziswa eYerusalem.

UEzra 2

Uluhlu lwabasemfudusweni ababuyayo bephantsi koZerubhabheli

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ngabo ke aba oonyana belizwe lakwaYuda abenyukayo, kwababethinjwe basemfudusweni, awabafudusela eBhabheli uNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli, ababuyela eYerusalem nakwaYuda, elowo wabuyela emzini wakowabo;

2abeza noZerubhabheli, noYeshuwa, noNehemiya, noSeraya, noRehelaya, noMordekayi, noBhileshan, noMispare, noBhigwayi, noRehum, noBhahana. Inani lamadoda abantu bakwaSirayeli:

3oonyana bakaParoshe ibingamawaka amabini, anekhulu elinamanci asixhenxe anababini.

4Oonyana bakaShefatiya ibingamakhulu amathathu,

5anamanci asixhenxe anababini. Oonyana baka-Ara ibingamakhulu asixhenxe, anamanci asixhenxe anabahlanu.

6Oonyana bakaPahati wakwaMowabhi, koonyana bakaYeshuwa noYowabhi, ibingamawaka amabini anamakhulu asibhozo, aneshumi elinye elinababini.

7Oonyana bakaElam ibiliwaka elinamakhulu amabini, anamanci mahlanu anabané.

8Oonyana bakaZatu ibingamakhulu asithoba, anamanci mané anabahlanu.

9Oonyana bakaZakayi ibingamakhulu asixhenxe, anamancimathandathu.

10Oonyana bakaBhani ibingamakhulu amathandathu, anamanci mané anababini.

11Oonyana bakaBhebhayi ibingamakhulu amathandathu, anamanci mabini anabathathu.

12Oonyana baka-Azegadi ibiliwaka elinamakhulu amabini, anamanci mabini anababini.

13Oonyana baka-Adonikam ibingamakhulu amathandathu, anamanci mathandathu anabathandathu.

14Oonyana bakaBhigwayi ibingamawaka amabini, anamanci mahlanu anabathandathu.

15Oonyana baka-Adin ibingamakhulu amané, anamanci mahlanu anabané.

16Oonyana baka-Atere kaHezekiya ibingamashumi asithoba anesibhozo.

17Oonyana bakaBhetsayi ibingamakhulu amathathu, anamanci mabini anabathathu.

18Oonyana bakaYora ibilikhulu elineshumi elinababini.

19Oonyana bakaHashum ibingamakhulu amabini, anamanci mabini anabathathu.

20Oonyana baseGibhare ibingamashumi asithoba anabahlanu.

21Oonyana baseBhetelehem ibilikhulu, elinamanci mabini anabathathu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Amadoda aseNetofa ibingamashumi amahlanu anamathandathu.

23Amadoda aseAnatoti ibilikhulu, elinamanci mabini anesibhozo.

24Oonyana baseAzemavete ibingamashumi amané anababini.

25Oonyana baseKiriyati-yeharim neKefira neBheroti, ibingamakhulu asixhenxe, anamanci amané anabathathu.

26Oonyana baseRama neGabha ibingamakhulu amathandathu, anamanci mabini anamnye.

27Amadoda aseMikimase ibilikhulu, elinamanci mabini anamabini.

28Amadoda aseBheteli neAyi ibingamakhulu amabini, anamanci mabini anamathathu.

29Oonyana baseNebho ibingamashumi amahlanu anababini.

30Oonyana bakaMagebhishe ibilikhulu, elinamanci mahlanu anabathandathu.

31Oonyana bomnye uElam ibiliwaka, elinamakhulu amabini, anamanci amahlanu anabané.

32Oonyana bakaHarim ibingamakhulu amathathu, anamanci mabini.

33Oonyana baseLodi neHadide neOno ibingamakhulu asixhenxe, anamanci mabini anabahlanu.

34Oonyana baseYeriko ibingamakhulu amathathu, anamanci mané anabahlanu.

35Oonyana baseSenaha ibingamawaka amathathu, anamakhulu amathandathu, anamanci mathathu.

36Ababingeleli: oonyana bakaYedaya bendlu kaYeshuwa ibingamakhulu asithoba, anamanci asixhenxe anabathathu.

37Oonyana bakaImere ibiliwaka, elinamanci mahlanu anababini.

38Oonyana bakaPashure ibiliwaka elinamakhulu amabini, anamanci mané anesixhenxe.

39Oonyana bakaHarim ibiliwaka, elineshumi elinesixhenxe.

40AbaLevi: oonyana bakaYeshuwa noKademiyeli, koonyana bakaHodaviya, ibingamashumi asixhenxe anabané.

41Iimvumi: oonyana baka-Asafu ibilikhulu, elinamanci mabini anesibhozo.

42Oonyana babamasango: oonyana bakaShalum, oonyana baka-Atere, oonyana bakaTalemon, oonyana baka-Akubhi, oonyana bakaHatita, oonyana bakaShobhayi, bebonke ibilikhulu, elinamanci mathathu anesithoba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

43Abakhonzi betempile: oonyana bakaTsiha, oonyana bakaHasufa, oonyana bakaTabhayoti,

44oonyana bakaKerose, oonyana bakaSiyaha, oonyana bakaPadon,

45oonyana bakaLebhana, oonyana bakaHagabha, oonyana baka-Akubhi,

46oonyana bakaHagabhi, oonyana bakaShalemayi, oonyana bakaHanan,

47oonyana bakaGidele, oonyana bakaGahare, oonyana bakaRehaya,

48oonyana bakaRetsin, oonyana bakaNekoda, oonyana bakaGazam,

49oonyana bakaUza, oonyana bakaPaseha, oonyana bakaBhesayi,

50oonyana baka-Asna, oonyana bakaMehunim, oonyana bakaNefusim,

51oonyana bakaBhakebhuki, oonyana bakaHakufa, oonyana bakaHar-hure,

52oonyana bakaBhatseluti, oonyana bakaMehida,

53oonyana bakaHarsha, oonyana bakaBharkose, oonyana bakaSisera, oonyana bakaTama,

54oonyana bakaNetsiha, oonyana bakaHatifa.

55Oonyana babakhonzi bakaSolomon: oonyana bakaSotayi, oonyana bakaSoferete, oonyana bakaPeruda,

56oonyana bakaYahala, oonyana bakaDarkon, oonyana bakaGidele,

57oonyana bakaShefatiya, oonyana bakaHatili, oonyana bakaPokerete-tsebhayim, oonyana baka-Ami.

58Bonke abakhonzi betempile, noonyana babakhonzi bakaSolomon, ibingamakhulu amathathu, anamanci asithoba anababini.

59Ngaba abenyuka, bevela eTele-mela, naseTele-harsha, naseKerubhi-adan-imere; ke ababanga nakuzixela izindlu zooyise, nembewu yabo, ukuba ngabakwaSirayeli na:

60oonyana bakaDelaya, oonyana bakaTobhiya, oonyana bakaNekoda, babengamakhulu omathandathu anamanci mahlanu anababini.

61Ke koonyana bababingeleli: oonyana bakaHabhaya, oonyana bakaHakotsi, oonyana bakaBharzilayi (owazeka umfazi ezintombini zikaBharzilayi waseGiliyadi, wabizwa ngegama lazo),

62abo bakufuna ukubhalwa kwabo kwababhalelwe emilibeni yokuzalwa, abakufumana; bangcola ke, ababa sebubingelelini.

63Irhuluneli yathi kubo, mabangadli nto kwezingcwele kanye, kude kuvele umbingeleli oneeUrim neeTumim.

© 1975 Bible Society of South Africa.

64Lonke ibandla, lindawonye, ibe ingamawaka angamashumi amané anamabini, anamakhulu mathathu, anamanci mathandathu;

65ngaphandle kwezicaka zabo ezi, nezicakakazi zabo ezi, zingamawaka asixhenxe, anamakhulu amathathu, anamanci mathathu anesixhenxe; zineemvumi neemvumikazi ezingamakhulu amabini.

66Amahashe abo ibingamakhulu asixhenxe, anamanci mathathu anamathandathu; oondlebende babo ibingamakhulu amabini, anamanci mané anabahlanu;

67iinkamela zabo ibingamakhulu amané, anamanci mathathu anantlanu; amaesile ibingamawaka amathandathu, anamakhulu asixhenxe, anamanci mabini.

68Inxenye yeentloko zezindlu zooyise ekufikeni kwayo endlwini kaYehova eseYerusalem, yayizisela indlu kaThixo iminikelo yokuqhutywa yintliziyo, ukuba imiswe endaweni yayo.

69Banikela ngoko konke ababenako ebuncwaneni bomsebenzi: igolide yangamawaka amashumi amathandathu, anawaka linye eedarike, nesilivere yangamawaka amahlanu eemina, nekhulu leengubo ezingaphantsi zababingeleli.

70Bahlala ke ababingeleli, nabaLevi, nabantu inxenye, neemvumi, nabamasango, nabakonzi betempile, emizini yakowabo; amaSirayeli onke emizini yawo.

UEzra 3

Itempile isekwa ngokutsha

1Ithe yakufika inyanga yesixhenxe, oonyana bakaSirayeli besemizini yabo, bahlangana abantu njengamntu mnye, beza eYerusalem.

2Wesuka uYeshuwa unyana kaYotsadaki, nabazalwana bakhe ababingeleli, noZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, nabazalwana bakhe, basakha isibingelelo sikaThixo kaSirayeli, ukuba kunyuswe phezu kwaso amadini anyukayo, ngoko kubhaliweyo emyalelweni kaMoses umfo wakwaThixo.

3Basizinzisa isibingelelo endaweni yaso; ngokuba beboyikiswe zizizwe zala mazwe. Banyusa phezu kwaso amadini anyukayo kuYehova, amadini anyukayo akusasa nawangokuhlwa.

4Benza umthendeleko weminquba njengoko kubahliweyo, namadini anyukayo iimini ngeemini, ngenani, ngokwesiko, into yemini ngangemini yayo.

5Emveni kwawo benza idini elinyukayo lamaxesha onke, nawokuthwasa kwenyanga, nawamaxesha onke kaYehova angcwalisiweyo, amisiweyo, nawabo bonke abanikela ngokuqhutywa yintliziyo kuYehova, iminikelo yokuqhutywa yintliziyo.

6Baqala ngowokuqala umhla wenyanga yesixhenxe, baqala banyusa amadini anyukayo kuYehova; itempile kaYehova ibe ingekasekwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Imali bayinika abaqingqi nabakroli; banika amaTsidon namaTire ukudla, nento eselwayo, neoli, ukuba athabathe imisedare eLebhanon, ayizise ngolwandle eYafo, ngokuvunyelwa kwabo nguKoreshi ukumkani wasePersi.

8Ngomnyaka wesibini wokufika kwabo endlwini kaThixo eYerusalem, ngenyanga yesibini, baqala ooZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, noYeshuwa unyana kaTsadoki, nabanye abazalwana babo, ababingeleli, nabaLevi, nabo bonke ababephume ekuthinjweni ukuza eYerusalem, bamisa abaLevi, bathabathela kominyaka imashumi mabini ezelwe, kwenyusa, ukuba bawongamele umsebenzi wendlu kaYehova.

9Kwema ooYeshuwa noonyana bakhe nabazalwana bakhe, uKademiyeli noonyana bakhe, oonyana bakaHodaviya, njengamntu mnye, ukubongamela abawenzayo umsebenzi endlwini kaThixo: oonyana bakaHenadade, oonyana babo nabazalwana babo, abaLevi.

10Abakhi bayiseka itempile kaYehova; bema ababingeleli, bevethe, benamaxilongo; nabaLevi, oonyana baka-Asafu, benamacangci, ukumdumisa uYehova ngokolwalathiso lukaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

11Basusela ngokudumisa, nangokubulela kuYehova, besithi, Úlungile, inceba yakhe ingunaphakade kuSirayeli; ke bonke abantu baduma ngodumo olukhulu, bedumisa uYehova ngenxa yokusekwa kwendlu kaYehova.

12Ke isininzi kubabingeleli, nabaLevi, neentloko zezindlu zooyise, namadoda amakhulu, awayeyibonile indlu yokuqala, sathi ekusekweni kwale ndlu emehlweni aso, salila ngezwi elikhulu; ke abaninzi baduma, bavuya ngokuphakamisa ilizwi.

13Abantu ababa nakulahlula ilizwi lokuduma ngokuvuya kwilizwi lokulila kwabantu; ngokuba abantu babeduma ngodumo olukhulu; ilizwi lavakala nakude.

UEzra 4

Ababandezeli bayakuthintela ukwakhiwa kweendonga zeYerusalem

1Ke kaloku, bakuva ababandezeli bamaYuda nabamaBhenjamin, ukuba oonyana basemfudusweni bamakhela itempile uYehova uThixo wakwaSirayeli,

2beza kuZerubhabheli, nakwiintloko zezindlu zooyise, bathi kubo, Masakhe nani, ngokuba siquqela uThixo wenu njengani; sibingelela kuye kususela kwimihla kaEsar-hadon, ukumkani waseAsiriya, owasinyusela apha.

3Wathi uZerubhabheli, noYeshuwa, nabanye abaziintloko zezindlu zooyise bakwaSirayeli kubo, Ànithe ni nathi ekumakheleni uThixo wethu indlu; somakhela sedwa uYehova, uThixo wakwaSirayeli, njengoko wasiwisela umthetho ngako ukumkani onguKoreshi, ukumkani wasePersi.

4Abantu belo zwe bamana ukubaphelisa amandla abantu bakwaYuda, beboyikisa ekwakheni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

5bebaqeshela amagqwetha, ukuba alishitshise iqhinga labo, yonke imihla kaKoreshi
ukumkani wasePersi, kwada kwezisa ebukumkanini bukaDariyo ukumkani wasePersi.

6Nasebukumkanini buka-Ahaswerose, ekuqalekeni kobukumkani bakhe, babhala,
bebancetheza abemi bakwaYuda nabaseYerusalem.

7Nangemihla ka-Artashashta kwabhala uBhish-lam, noMitredati, noTabheli, nabanye
abalingane babo, kuArtashashta ukumkani wasePersi; incwadi yabhalwa ngentetho
yesiAram, yakhunyushwa ngesiAram.

8OoRehum umkhumbuzi wezinto zakomkhulu, noShimshayi umbhali, babhala
incwadi ngeYerusalem kuArtashashta ukumkani, ngolu hlobo.

9Bathumela ke ooRehum umkhumbuzi wezinto zakomkhulu, noShimshayi umbhali,
nabanye abalingane babo bamaDina, nabama-Afarsateki, nabamaTarpela, nabama-
Afarsi, nabama-Arki, nabamaBhabheli, nabamaShushanki,

10nabamaDehavi, nabamaElam, nezinye izizwe, awazithimbayo uOsnapare omkhulu
obekekileyo, wazibeka emzini wakwaSamari, nakweminye nganeno koMlambo,
nakwezinye iindawo.

11Yiyo le incwadi abayithumela kuArtashashta ukumkani, ithi: Abakhonzi bakho,
amadoda anganeno koMlambo, njalonjalo.

12Makwazeke kukumkani, ukuba amaYuda anyukileyo evela kuwe, afikile kuthi
eYerusalem; ayawakha umzi ogwilikayo, ongendawo; ayazimisa iindonga zawo,
ayazimbela iziseko.

13Makwazeke ngoku kukumkani, ukuba óthi, xa uthe wakhiwa lo mzi, zafezwa
neendonga zawo, angarholi rhafu nasithabathaba, nalunikelo, kude kuye kuxhwaleka
ookumkani.

14Kaloku, ngenxa enokuba sisidla ityuwa yasebhotwe, kwaye kungafanelekile kuthi
ukubona ukumkani encitshiswa. Ngako oko siyathumela,

15simazisa ukumkani, ukuze kuphicothwe encwadini yezikhumbuzo ezo zooyihlo,
wazi ukuba lo mzi waba ngumzi ogwilikayo, owaxhwalekisa ookumkani namazwe,
kwenziwa, isiphendu phakathi kwawo kwakudala, waba linxuwa lo mzi ngenxa yoko.

16Siyamazisa ukumkani ukuba, xa uthe wakhiwa lo mzi, zafezwa neendonga zawo,
wòthi ngenxa yelo thuba ungabi nasabelo wena nganeno koMlambo.

17Waza ukumkani wabathumela impendulo ooRehum umkhumbuzi wezinto
zakomkhulu, noShimshayi umbhali, nabanye abalingane babo abahleli kwaSamari,
nabanye abanganeno koMlambo, wathi:

18Uxolo, njalonjalo. Loo ncwadi nayithumelayo kuthi ilesiwe ngokucacileyo phambi
kwam.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

19Ndiwisé umthetho, kwaphicothwa, kwafunyanwa ukuba lo mzi kwakudala uziphakamisile kookumkani, kwenziwa ugwiliko nesiphendu phakathi kwawo.

20Kwabe kukho ookumkani abanamandla eYerusalem, nabanegunya kwilizwe lonke eliphesheya koMlambo apho; kunikelwa kubo irhafu, nesithabathaba, nonikelo.

21Wisani ngoko umthetho wokuba abanjezelwe loo madoda, loo mzi ungakhiwa, kude kuwiswe umthetho ndim.

22Lumkani, ningakhe le nto niyiyeke; kungani na ukuba kukhule ukonakala, baxhwaleke ookumkani?

23Ithe yakuleswa incwadi ka-Artashashta ukumkani phambi koRehum, noShimshayi umbhali, nabalingane babo, basuka, beza ngobungxamo eYerusalem kumaYuda, bawanyanzela ngegunya nangamandla.

24Waza wema umsebenzi wendlu kaThixo eseYerusalem; wema kwada kwaba ngumnyaka wesibini wobukumkani bukaDariyo, ukumkani wasePersi.

UEzra 5

Ukwakhiwa kwetempile kuyasungulwa kwakhona

1Ke kaloku abaprofeti, ooHagayi umprofeti, noZekariya unyana kaIdo, baprofeta kumaYuda abekwaYuda neYerusalem, egameni likaThixo kaSirayeli obekubo.

2Baza basuka ooZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, noYeshuwa unyana kaYotsadaki, nabathetheli bakhe, ukuba bayakhe indlu kaThixo eYerusalem, abaprofeti bakaThixo bekubo bencedisana nabo.

3Kwangelo xesha, weza kubo uTatenayi, ibamba langaneno koMlambo, noShetar-bhozenayi, nabalingane babo, bathi kubo, Niwiselwe umthetho ngubani na ukuba niyakhe le ndlu, nilwenze olu donga?

4Saza senjenje ukuthetha kubo, ngoonantsi noonantsi, amagama amadoda ayakhayo le ndlu.

5Ke iliso loThixo wawo libe liphezu kwamadoda amakhulu amaYuda, ukuba bangawabambezeli, ide loo ndawo iye kuDariyo, bakhuphe incwadi ngayo loo ndawo.

6Incwadi leyo, ooTatenayi, ibamba langaneno koMlambo, noShetar-bhozenayi, nabalingane bakhe bama-Afarseka banganeno koMlambo, bayithumelayo kuDariyo ukumkani,

7bayithumela loo ndawo kuye; kwabhalwa kwathiwa kuyo: KuDariyo ukumkani, uxolo luphelele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Makwazeke kukumkani, ukuba saya ezweni lakwaYuda, endlwini kaThixo omkhulu. Iyakhiwa ngamatye anzima, nemithi iyafakwa ezindongeni; lo msebenzi usetyenzwa ngenyameko, uyaphumelela ezandleni zabo.

9Saza sabuza kumadoda lawo makhulu, sathi kuwo, Niwiselwe umthetho ngubani na ukuba niyakhe le ndlu, nilwenze olu donga?

10Sabuza kuwo namagama awo, ukuba sikwazise wena, siwabhale amagama amadoda aziintloko kuwo.

11Enjenje ke ukusibuyisela impendulo, athi, Singabàkhe, singabakhonzi bakaThixo wamazulu nehlabathi. Sakha le ndlu yakhiwáyo iminyaka emininzi eyadlulayo, yakhiwa yafezwa ngukumkani omkhulu wakwaSirayeli.

12Ngokokuba oobawo bamqumbisayo uThixo wamazulu, wabanikela esandleni sikaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, umKaledi. Yena wayichitha le ndlu, wabafudusela eBhabheli abantu.

13Kodwa ngomnyaka wokuqala kaKoreshi ukumkani waseBhabheli, ukumkani uKoreshi wawisa umthetho wokuba yakhiwe le ndlu kaThixo.

14Kananjalo iimpahla zendlu kaThixo zegolide nezesilivere, awazirholayo uNebhukadenetsare etempileni eseYerusalem, awazizisayo etempileni yaseBhabheli, ezo wazikhupha uKoreshi ukumkani etempileni yaseBhabheli: zanikelwa kogama linguSheshbhatsare, awammisayo ukuba abe libamba.

15Wathi kuye, Thabatha ezi mpahla, hamba, uzise etempileni eseYerusalem, indlu kaThixo yakhelwe endaweni yayo.

16Waza weza lo Sheshbhatsare, wazibeka iziseko zendlu kaThixo eseYerusalem; kususela kwelo xesha unangoku iyakhiwa; ayikagqitywa ke.

17Kaloku, ukuba kuthe kwalunga kukumkani, makuphicothwe endlwini yendyebo yokumkani, eseBhabheli apho, kukhangelwe ukuba kunjalo na, ukuba wawiswa na umthetho nguKoreshi ukumkani, wokuba yakhiwe le ndlu kaThixo eYerusalem; kananjalo makuthunyelwe kuthi ukuthanda kokumkani ngale nto.

UEzra 6

Ukumkani uDariyo uvumela ukuba itempile igqitywe

1Waza uDariyo ukumkani wawisa umthetho; kwaphicothwa endlwini yeencwadi, apho indyebo ibibekwe khona eBhabheli.

2Kwafunyanwa komkhulu, eAmeta, eselizweni lamaMedi, incwadi esongwayo; kwaye kubhaliwe apho isikhumbuzo, kwathiwa:

3Ngowokuqala umnyaka kaKoreshi ukumkani, wawisa umthetho uKoreshi ukumkani, wathi, Indlu kaThixo eYerusalem, mayakhiwe indlu leyo, ibe yindawo apho kubingelelwa khona imibingelelo; zimiswe neziseko zayo; ukuphakama kwayo kube

© 1975 Bible Society of South Africa.

ziikubhite ezimashumi mathandathu, ububanzi bayo bube ziikubhite ezimashumi mathandathu.

4Ize ibe ziingcamba ezintathu zamatye anzima, nocamba lwemithi emitsha; indleko mayiphume endlwini yokumkani.

5Neempahla zendlu kaThixo zegolide, nezesilivere, awazirholayo uNebhukadenetsare etempileni yaseYerusalem, wazizisa eBhabheli, mazibuyiswe zisiwe etempileni eseYerusalem, ezindaweni zazo, endlwini kaThixo.

6Ngoko, Tatenayi, bamba laphesheya koMlambo, nawe Shetar-bhozenayi, nabalingane benu bama-Afarseka phesheya koMlambo, yibani kude naloo nto; wuyekeni umsebenzi wale ndlu kaThixo.

7Ibamba lamaYuda namadoda amakhulu akwaYuda mabayakhe le ndlu kaThixo endaweni yayo.

8Ndiwisa umthetho wento enoyenza kumadoda amakhulu aloo maYuda, ukuba yakhiwe loo ndlu kaThixo; ndithi, loo madoda makanikwe indleko, ebutyebini bukakumkani, erhafini yaphesheya koMlambo, kunyanyekwe, angabanjezelwa.

9Nezinto ezifunekayo, iinkunzi ezintsha zeenkomo, neenkunzi zeegusha, neemvana, zokuba ngamadini anyukayo kuThixo wamazulu, nengqolowa, netyuwa, newayini, neoli, ngokwelizwi lababingeleli abaseYerusalem, makazinikwe imihla ngemihla, kungaphosiswa;

10ukuze basondeze imibingelelo elivumba elithozamisayo kuThixo wamazulu, bathandazele ubomi bokumkani noboonyana bakhe.

11Ndiwisa umthetho wokuba bonke abantu abayijikayo loo nto, makuncothulwe umthi endlwini yabo, baxhonywe, babethelelwe kuwo, nendlu yabo yenziwe indawo yokuya endle, ngenxa yoko.

12UThixo, olibeke khona igama lakhe, makabakhahlele phantsi bonke ookumkani, nabantu, abolula izandla zabo, beyijika loo nto, ukuba bayitshabalalise le ndlu kaThixo eseYerusalem. Mna Dariyo ndiwisé umthetho; mawenziwe ngenyameko.

13Baza ooTatenayi ibamba langaneno koMlambo, noShetar-bhozenayi, nabalingane babo, ngenxa enokuba uDariyo ukumkani ethumile, benjenjalo ngenyameko.

14Ke amadoda amakhulu amaYuda ákha, aphumelela ngokokuprofeta kukaHagayi umprofeti, noZekariya unyana kaIdo; ákha ke agqiba, ngenxa yomthetho kaThixo kaSirayeli, nangenxa yomthetho wooKoreshi, noDariyo, noArtashashta, ookumkani basePersi.

15Yagqitywa ke le ndlu ngosuka lwesithathu lwenyanga enguAdare; ngumnyaka wesithandathu lowo wokulawula kukaDariyo ukumkani.

Ukunikelwa kwetempile

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Oonyana bakaSirayeli, ababingeleli nabaLevi nabanye oonyana basemfudusweni, bakwenza ngovuyo ukuhlaziywa kwale ndlu kaThixo.

17Basondezela ukuhlaziywa kwale ndlu kaThixo, ikhulu leenkunzi ezintsha zeenkomo, namakhulu amabini eenkunzi zeegusha, namakhulu amané eemvana; neenkunzi zeebhokhwe zedini lesono, ngenxa yamaSirayeli onke, zalishumi elinambini, ngokwenani lezizwe zakwaSirayeli.

18Babamisa ababingeleli ngokwezahlulo zabo, nabaLevi ngokwamaqela abo, phezu kwenkonzo kaThixo eseYerusalem, ngoko kubhaliweyo encwadini kaMoses.

19Oonyana basemfudusweni bayenza ipasika ngomhla weshumi elinesiné wenyanga yokuqala;

20ngokuba babezihlambulule ababingeleli nabaLevi, njengamntu mnye, bahlambuluka bonke bephela; babaxhelela ipasika oonyana bonke basemfudusweni, nabazalwana babo ababingeleli, nabo ngokwabo.

21Badla ke oonyana bakaSirayeli ababebuye ekufudusweni, kwanabo bonke abazahluláyo ebunqambini beentlanga zelizwe, beza kubo ukuba bamquqele uYehova, uThixo kaSirayeli.

22Benza umthendeleko wezonka ezingenagwele imihla yasixhenxe bevuyile; ngokuba uYehova ebebavuyisile ngokuyibuyisela kubo intliziyo yokumkani waseAsiriya, ukuze izandla zabo zomelezwe emsebenzini wendlu kaThixo, uThixo kaSirayeli.

UEzra 7

UEzra uya eYerusalem ngokuvunyelwa ngukumkani uArtashashta

1Emveni kwezo zinto, ebukumkanini buka-Artashashta ukumkani wasePersi, wathi uEzra, unyana kaSeraya, unyana ka-Azariya, unyana kaHilekiya,

2unyana kaShalum, unyana kaTsadoki, unyana ka-Abhitubhi,

3unyana ka-Amariya, unyana ka-Azariya, unyana kaMerayoti,

4unyana kaZeraya, unyana kaUzi, unyana kaBhuki,

5unyana ka-Abhishuwa, unyana kaPinehasi, unyana kaElazare, unyana ka-Aron umbingeleli oyintloko:

6uEzra lowo wenyuka, ephuma eBhabheli. Waye engumbhali oyinkunkqele emyalelweni kaMoses, awawuwisayo uYehova, uThixo kaSirayeli. Ukumkani wamnika konke awakucelayo ngokwesandla sikaYehova, uThixo wakhe, esiphezu kwakhe.

7Kwenyuka naye inxenye yoonyana bakaSirayeli, neyababingeleli, nabaLevi, neemvumi, nabamasango, nabakhonzi betempile, besiya eYerusalem, ngomnyaka wesixhenxe ka-Artashashta ukumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wafika eYerusalem ngenyanga yesihlanu; lowo ke ngumnyaka wesixhenxe wokumkani.

9Ngokuba ibe ingumhla wokuqala wenyanga yokuqala, awawumisela ukunyuka ngawo, ephuma eBhabheli; wafika eYerusalem ngomhla wokuqala wenyanga yesihlanu, ngokwesandla esilungileyo sikaThixo wakhe, esibe siphezu kwakhe;

10ngokuba uEzra intliziyo yakhe wayeyibhekise ekuwufuneni umyalelo kaYehova, awenze, afundise ummiselo nesiko kwaSirayeli.

11Yiyo le incwadi, awathi ukumkani uArtashashta wamnika uEzra umbingeleli, umbhali obhala amazwi emithetho kaYehova, nemimiselo yakhe kumaSirayeli:

12UArtashashta, ukumkani wookumkani, kuEzra umbingeleli, umbhali ogqibeleleyo emthethweni kaThixo wamazulu, njalonjalo.

13Ndiwise umthetho wokuba bonke ebukumkanini bam, phakathi kwabantu bakwaSirayeli, nababingeleli babo nabaLevi, abaqhutywa yintliziyo ukuya eYerusalem, mabahambe nawe.

14Ngokuba wena uthunywa ngukumkani namaphakathi akhe asixhenxe, ukubuzisa ngamaYuda neYerusalem, ngokomthetho kaThixo wakho osesandleni sakho;

15uyise isilivere negolide, ayinikelayo ukumkani namaphakathi akhe, ngokuqhutywa yintliziyo, kuThixo kaSirayeli, okhaya liseYerusalem;

16nayo yonke isilivere negolide, owoyifumana ezweni lonke laseBhabheli, kunye nomnikelo wokuqhutywa yintliziyo wabantu nababingeleli, abanikela ngokuqhutywa yintliziyo ngenxa yendlu kaThixo wabo, eseYerusalem.

17Ngoko ke ùya kuthenga ngenyameko ngale mali iinkunzi ezintsha zeenkomo, neenkunzi zeegusha, neemvana, neminikelo yazo yokudla, nethululwayo; uyisondeze esibingelelweni sendlu kaThixo wenu eseYerusalem.

18Nento ethe yalunga kuwe, nakubazalwana bakho, ukwenziwa ngesilivere nangegolide eseleyo, noyenza ngokokuthanda kukaThixo wenu.

19Ke iimpahla ozinikiweyo ngenxa yombuso wendlu kaThixo wakho, zinikele ziphelele phambi koThixo eYerusalem.

20Nezinye izinto ezifunekayo zendlu kaThixo wakho, othi kuyafuneka ukuba zinikelwe, wòzirhola endlwini yendyebo yokumkani.

21Mna Artashashta, kumkani, ndiwisa umthetho kubo bonke abagcini-ndyebo abaphesheya koMlambo, wokuba konke aya kukubiza kuni uEzra, umbingeleli, umbhali womthetho kaThixo wamazulu,

22makwenziwe ngenyameko, kuse ekhulwini leetalente zesilivere, nekhulu leekore zengqolowa, nekhulu leebhate zewayini, nekhulu leebhate zeoli, netyuwa ingalinganiselwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Yonke into engomthetho kaThixo wamazulu mayenzelwe indlu kaThixo wamazulu
ngokuthe nqò; kuba kungàni na ukuba bufikelwe buburhalarhume ubukumkani
bokumkani noonyana bakhe?

24Makwazeke kuni, ukuba bonke ababingeleli, nabaLevi, neemvumi, nabamasango,
nabakhonzi betempile, nabalungiseleleli bale ndlu kaThixo, akukho bani unagunya
lakubathwesa irhafu, nasithabathaba, nalunikelo.

25Wena Ezra, ngokobulumko bukaThixo wakho obusesandleni sakho, misa abagwebi,
nabathethi bamatyala, ebantwini bonke abaphesheya koMlambo; ndithi, bonke
abayaziyo imithetho kaThixo wakho; nabangayaziyo nobazisa.

26Ke bonke abasukuba bengawenzi umthetho kaThixo wakho, nomthetho
wokumkani, malithethwe ityala labo ngenyameko, nokuba baya kubulawa, nokuba
baya kugxothwa, nokuba baya kudliwa, nokuba baya kukhonkxwa.

27Makabongwe uYehova, uThixo woobawo, oyinikeleyo into enjalo entliziyweni
yokumkani, ukuba ayihombise indlu kaYehova eseYerusalem;

28ondithobele inceba phambi kokumkani, namaphakathi akhe, nabathetheli bonke
bokumkani abangamagorha. Mna ndomelezeka ngokwesandla sikaYehova uThixo
wam esiphezu kwam; ndazibutha kumaSirayeli iintloko zezindlu zooyise, ukuba
zinyuke nam.

UEzra 8

Abalingane bakaEzra

1Zizo ke ezi iintloko zezindlu zooyise, nokubhalwa kwazo emilibeni yokuzalwa,
ezenyuka nam, ziphuma eBhabheli, ebukumkanini buka-Artashashta ukumkani:

2koonyana bakaPinehasi nguGershom; koonyana bakaItamare nguDaniyeli;
koonyana bakaDavide nguHatushe;

3koonyana bakaShekaniya, koonyana bakaParoshe, nguZekariya, enamadoda
abhalwe emilibeni yokuzalwa, alikhulu elinamanci mahlanu;

4koonyana bakaPahati wakwaMowabhi nguEliyohenayi unyana kaZeraya,
enamadoda angamakhulu mabini;

5koonyana bakaShekaniya, ngunyana kaYahaziyeli, enamadoda angamakhulu
amathathu;

6koonyana baka-Adin nguEbhede unyana kaYonatan, enamadoda amashumi
mahlanu;

7koonyana bakaElam nguYeshaya unyana ka-Ataliya, enamadoda amashumi
asixhenxe:

© 1975 Bible Society of South Africa.

8koonyana bakaShefatiya nguZebhadiya unyana kaMikayeli, enamadoda amashumi asibhozo;

9koonyana bakaYowabhi nguObhadiya unyana kaYehiyeli, enamadoda angamakhulu amabini aneshumi elinesibhozo;

10koonyana bakaShelomiti ngunyana kaYosifiya, enamadoda alikhulu elinamanci mathandathu;

11koonyana bakaBhebhayi nguZekariya unyana kaBhebhayi, enamadoda amashumi mabini anesibhozo;

12koonyana baka-Azegadi nguYohanan unyana kaHakatan, enamadoda alikhulu elineshumi linye;

13koonyana bokugqibela baka-Adonikam abamagama angala: nguElifelete, noYehiyeli, noShemaya, benamadoda amashumi mathandathu;

14koonyana bakaBhigwayi ngu-Utayi, noZabhudi, enamadoda amashumi asixhenxe.

15Ndabahlanganisela emlanjeni ongumAhava; samisa khona imihla yamithathu. Ndabagqala abantu nababingeleli, andafumana khona namnye woonyana bakaLevi.

16Ndathumela ukuba kubizwe ooEliyezere, noAriyeli, noShemaya, noElinatan, noYaribhi, noElinatan, noNatan, noZekariya, noMeshulam, abaziintloko; noYoyaribhi noElinatan, abaqondisi-mthetho.

17Ndabasusa baya kuIdo, oyintloko endaweni eyiKasifiya; ndabeka amazwi emlonyeni wabo, ukuba bathethe wona kuIdo nabazalwana bakhe, abakhonzi betempile, endaweni eyiKasifiya, ukuba basizisele abalungiseleli bendlu kaThixo wethu.

18Bathi ke, ngokwesandla sikaThixo wethu esilungileyo esiphezu kwethu, babazìsa kuthi ooIshi-sekele koonyana bakaMahali, unyana kaLevi, unyana kaSirayeli; noSherebhiya, noonyana bakhe nabazalwana bakhe, ishumi elinesibhozo;

19noHashabhiya enoYeshaya koonyana bakaMerari nabazalwana bakhe, noonyana babo, amashumi amabini;

20nakubakhonzi betempile, ababethe ooDavide nabathetheli babanikela ukuba bakhonze kubaLevi; abakhonzi betempile ibingamakhulu amabini anamanci mabini, bonke bebalulwe ngamagama.

21Ndamema inzilo apho emlanjeni ongumAhava, ukuba sizithobe phambi koThixo wethu, sizifunele kuye indlela ethe tye, thina, nentsapho yethu, nemfuyo yethu yonke.

22Ngokuba ndandineentloni ukuba ndicele impi nabamahashe kukumkani, ukuba basincede ezintshabeni endleleni; ngokuba besesithe kukumkani, Isandla sikaThixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

wethu siphezu kwabo bonke abamfunayo, ukuba kulunge; namandla akhe nomsindo wakhe uyabachasa bonke abamshiyayo.

23Sazila ukudla ke, samkhunga ngenxa yoko uThixo wethu, wathandazeka sithi.

24Ndahlula kubathetheli bababingeleli ishumi elinababini, ngaphandle koSherebhiya, noHashabhiya, neshumi labazalwana babo;

25ndayilinganisela kubo isilivere, negolide, nempahla, umrhumo wendlu kaThixo wethu, abawurhumayo ukumkani, namaphakathi akhe, nabathetheli bakhe, namaSirayeli onke awayekho apho.

26Ndalinganisela esandleni sabo amakhulu amathandathu anamanci mahlanu eetalente zesilivere, nekhulu leetalente zeempahla zesilivere, nekhulu leetalente zegolide;

27namashumi amabini eendebe zegolide ziliwaka leedarike, neempahla ezimbini zobhedu olubengezela kakuhle, zinqweneleka njengegolide.

28Ndathi kubo, Ningcwele kuYehova, iimpahla zingcwele; negolide nesilivere zingumnikelo wabaqhutywa yintliziyo, kuYehova, uThixo wooyihlo;

29phaphani, nizigcine, nide nizilinganisele phambi kwabathetheli bababingeleli, nabaLevi, nabathetheli bezindlu zooyise zamaSirayeli, eYerusalem, emagumbini endlu kaYehova.

30Ababingeleli nabaLevi bawamkela ke umlinganiso wesilivere negolide nempahla, ukuba bawuzise eYerusalem endlwini yoThixo wethu.

31Saza sanduluka emlanjeni ongumAhava ngomhla weshumi elinesibini wenyanga yokuqala, ukuba size eYerusalem; isandla soThixo wethu saba phezu kwethu, sasihlangula esandleni seentshaba nesabasilaleleyo endleleni.

32Safika eYerusalem, sahlala khona iintsuku zantathu.

33Ngomhla wesiné yalinganiselwa isilivere negolide neempahla, endlwini yoThixo wethu, esandleni sikaMeremoti unyana kaUriya, umbingeleli, enoElazare unyana kaPinehasi, benoYozabhadi unyana kaYeshuwa, noNowadiya unyana kaBhinwi, abaLevi;

34zanikelwa ngokwenani ngokulinganiselwa kwezinto zonke; konke ukulinganiselwa kwabhalwa ngelo xesha.

35Oonyana basemfudusweni, abo babephume ekuthinjweni, basondeza amadini anyukayo kuThixo kaSirayeli: iinkunzi ezintsha zeenkomo zalishumi elinambini, ngenxa yamaSirayeli onke, neenkunzi zeegusha zamashumi asithoba anantandathu, neemvana zamashumi asixhenxe anesixhenxe, neenkunzi zeebhokhwe zedini lesono zalishumi elinambini; zonke zaba lidini elinyukayo kuYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Bayinikela imithetho yokumkani kwiirhuluneli zokumkani, nakumabamba nganeno koMlambo; abo babanceda abantu, nendlu kaThixo.

UEzra 9

UEzra uvuma izono ezizezabantu

1Kwakugqitywa oko, beza kum abathetheli, bathi, Abantu bakwaSirayeli, nababingeleli, nabaLevi, àbazahluli kwizizwe zamazwe la; benza ngokwamasikizi azo, awamaKanan, namaHeti, namaPerizi, namaYebhusi, nama-Amon, namaMowabhi, namaYiputa, nama-Amori;

2ngokuba bazizekele bona noonyana babo abafazi ezintombini zawo; yazixuba imbewu engcwele nezizwe zala mazwe; ke kuqale isandla sabathetheli nabaphathi kobu bumenemene.

3Ndathi ndakuliva elo lizwi, ndazikrazula iingubo zam, kwaneyokwaleka, ndazidlathula iinwele zam neendevu, ndahlala phantsi ndimangalisiwe.

4Ndahlanganisela kum bonke abagubha ngamazwi kaThixo kaSirayeli ngenxa yobumenemene babafudusváyo; ndahlala phantsi ndimangalisiwe, kwada kwalilixa lomnikelo wokudla wangokuhlwa.

5Ngelo xa lomnikelo wokudla wangokuhlwa, ndesuka ekuzithobeni kwam, ndazikrazula iingubo zam neyokwaleka, ndaguqa ngamadolo, ndazolulela izandla zam kuYehova uThixo wam, ndathi:

6Thixo wam, ndidanile, ndineentloni, andinakubuphakamisela kuwe ubuso bam, Thixo wam; ngokuba ubugwenxa bethu bukhulile, baba phezu kweentloko zethu; netyala lethu likhulu, lesa emazulwini.

7Kususela kwimihla yoobawo, sisetyaleni elikhulu unanamhla; ngenxa yobugwenxa bethu sanikelwa thina, nookumkani bethu, nababingeleli bethu, esandleni sookumkani bala mazwe, nasekreleni, nasekuthinjweni, nasekuphangweni, nasekudaneni kobuso, njengoko kunjalo namhla.

8Kaloku, ngokwephanyazo elincinane, kukho ubabalo oluvela kuYehova uThixo wethu, lokusishiyela abasindileyo, asinike isikhonkwane endaweni yengcwele yakhe, ukuze uThixo wethu awakhanyisele amehlo ethu, asisindise kancinane ebukhobokeni bethu.

9Ngokuba singamakhoboka; ke ebukhobokeni bethu akasishiyanga uThixo wethu; usithobele inceba phambi kookumkani basePersi, basisindisa, ukuba siphakamise indlu yoThixo wethu, silungise inxuwa layo, basibiyele uthango kwaYuda, naseYerusalem.

10Singáthini na kaloku, Thixo wethu, emveni koko? Kuba siyishiyile imithetho yakho, owayiwisayo ngabakhonzi bakho abaprofeti, usithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ilizwe eniya kulíma, lilizwe lokungcola, ngokungcola kwezizwe zala mazwe,
ngamasikizi azo azalisileyo, athabathela kwelinye icala esa kwelinye, ngobunqambi
bazo.

12Ke ngoko iintombi zenu musani ukuzendisela koonyana bazo, neentombi zazo
musani ukuzizekela oonyana benu; ningalunyamekeli uxolo lwazo nokuzilungeleyo,
naphakade; ukuze nomelele, nidle ukulunga kwelizwe elo, nilinike oonyana benu libe
lilifa kude kuse ephakadeni.

13Emveni kwako konke okusihleleyo, ngenxa yezenzo zethu ezibi, nangenxa yetyala
lethu elikhulu (kanti wena, Thixo wethu, usiyekile, akwasohlwaya ngangobugwenxa
bethu, wasinika abasindileyo abangakanana),

14singábuya siyaphule na imithetho yakho, sendiselane nezizwe ezinaloo masikizi?
Akuyi kusifuthela ngomsindo side siphele na, ukuze kungabikho baseleyo,
basindileyo?

15Yehova, Thixo kaSirayeli, ùlilungisa, ngokuba sisele singabasindileyo, njengoko
kunjalo namhla. Uyabona, siphambi kwakho, sinalo ityala lethu, ngokuba akukho
unokuma phambi kwakho ngenxa yoko.

UEzra 10

Abafazi bezinye iintlanga bayakhutshwa

1Ke kaloku akuthandaza uEzra, akukuxela oku, elila, eziwisile phambi kwendlu
kaThixo, kwabuthelana kuye kumaSirayeli ibandla elikhulu kakhulu lamadoda,
nabafazi, nabantwana, ngokuba abantu batsho ngesililo esikhulu.

2Waphendula uShekaniya unyana kaYehiyeli, owoonyana bakaElam, wathi kuEzra,
Senzé ubumenemene kuThixo wethu, sazeka abafazi bezinye iintlanga ezizweni
zelizwe eli; kodwa kusekho ithemba kumaSirayeli ngale nto.

3Masimenzele ngoku umnqophiso uThixo wethu, wokuba sibakhuphe bonke abafazi
nabazelwe ngabo, ngokwecebo lenkosi yam, nelabagubhela imithetho yoThixo
wethu; makwenziwe ngokomyalelo.

4Vuka, ngokuba le nto iphezu kwakho; singakuwe; yomelela, wenze.

5Wavuka uEzra, wabafungisa abathetheli bababingeleli, nababaLevi, nabamaSirayeli
onke, ukuba benze ngokwelo lizwi; bafunga ke.

6Wesuka uEzra phambi kwendlu kaThixo, wangena egumbini likaYohanan unyana
kaEliyashibhi. Wathi akufika khona, akadla sonka, akasela manzi; ngokuba ubesenza
isijwili ngenxa yobumenemene babo bafudusváyo.

7Bahambisa ilizwi kwaYuda naseYerusalem, kubo bonke oonyana basemfudusweni,
lokuba babuthelane eYerusalem;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8bathi; bonke abathe àbeza ngesithuba semihla emithathu, ngokwecebo labathetheli nelamadoda amakhulu, mayisingelwe phantsi yonke impahla yabo; ke bona ngokwabo bahlulwe nebandla lasemfudusweni.

9Abuthelana eYerusalem onke amadoda akwaYuda nawakwaBhenjamin ngeentsuku ezintathu; yaye iyinyanga yesithoba, ngowamashumi amabini umhla wenyanga leyo. Bahlala bonke abantu ebaleni lendlu kaThixo, bengcangcazela yile nto, naziimvula.

10Wesuka wema uEzra umbingeleli, wathi kubo, Nenzé ubumenemene; nizeké abafazi bezinye iintlanga, ukuze nongeze etyaleni lamaSirayeli.

11Mzukiseni ngokunje uYehova, uThixo wooyihlo, nenze okukholekileyo kuye, nizahlule kwizizwe zeli lizwe, nakubafazi bezinye iintlanga.

12Laphendula lonke ibandla, lathi ngezwi elikhulu, Kufanelekile kuthi, ukuba senze ngokwelizwi lakho;

13kodwa abantu baninzi, yaye ilixesha lemvula, akunakumiwa phandle; lo msebenzi àsingowemini enye, asingoweemini ezimbini; ngokuba soné kakhulu ngale nto.

14Abathetheli bethu ke mabaliméle ibandla lonke; bathi bonke emizini yethu, abazeké abafazi bezinye iintlanga, beze ngamaxesha amisiweyo, benamadoda amakhulu emizi ngemizi, nabagwebi bayo, kude kubuyiswe kuthi ukuvutha komsindo woThixo wethu, isekho nje le nto.

15NgooYonatan unyana ka-Asayeli, noYazeya unyana kaTikwa, bodwa abamelana nelo lizwi; ooMeshulam, noShabhetayi umLevi, bebancedisa.

16Benjenjalo ke oonyana basemfudusweni. Kwahlulwa ooEzra umbingeleli, namadoda aziintloko zezindlu zooyise ngokwezindlu zooyise, bonke bephela, bebalulwe ngamagama, bahlala phantsi ngomhla wokuqala wenyanga yeshumi ukuyibuza le nto.

17Bayigqiba into yonke yamadoda abezeké abafazi bezinye iintlanga, elusukwini lokuqala lwenyanga yokuqala.

18Koonyana bababingeleli kwafunyanwa ababezeke abafazi bezinye iintlanga: koonyana bakaYeshuwa unyana kaYotsadaki, nabazalwana bakhe: ingooMahaseya, noEliyezere, noYaribhi, noGedaliya.

19Banika isandla sabo, ukuba bobakhupha abafazi babo; bathi, benetyala nje, bakhuphe inkunzi yasempahleni emfutshane ngenxa yetyala labo;

20koonyana bakaImere yanguHanani noZebhadiya;

21koonyana bakaHarim yanguMahaseya, noEliya, noShemaya, noYehiyeli, noUziya;

22koonyana bakaPashure yanguEliyohenayi, noMahaseya, noIshmayeli, noNataniyeli, noYozabhadi, noEliyasa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

23nakubaLevi; yanguYozabhadi, noShimehi, noKelaya okwanguKelita, noPetaya, noYuda, noEliyezere;

24kwiimvumi yanguEliyashibhi; kwabamasango yanguShalum, noTelem, noUri; kumaSirayeli:

25koonyana bakaParoshe yanguRamiya, noIziya, noMalekiya, noMiyamin, noElazare, noMalekiya, noBhenaya;

26koonyana bakaElam yanguMataniya, noZekariya, noYehiyeli, noAbhedi, noYeremoti, noEliya;

27koonyana bakaZatu yanguEliyohenayi, noEliyashibhi, noMataniya, noYeremoti, noZabhadi, noAziza;

28nakoonyana bakaBhebhayi yanguYohanan, noHananiya, noZabhadi, noAtelayi;

29koonyana bakaBhani yanguMeshulam, noMaluki, noAdaya, noYashubhi, noShehali, noYeremoti;

30koonyana bakaPahati wakwaMowabhi yanguAdena, noKelali, noBhenaya, noMahaseya, noMataniya, noBhetsaleli, noBhinwi, noManase;

31koonyana bakaHarim yanguEliyezere, noIshiya, noMalekiya, noShemaya, noSimon,

32noBhenjamin, noMaluki, noShemariya;

33koonyana bakaHashum yanguMatenayi, noMatata, noZabhadi, noElifelete, noYeremayi, noManase, noShimehi;

34koonyana bakaBhani yanguMahadayi, noAmram, noUweli,

35noBhenaya, noBhedeya, noKelwi,

36noVaniya, noMeremoti, noEliyashibhi,

37noMataniya, noMatenayi, noYahasavi,

38noBhani, noBhinwi, noShimehi,

39noShelemiya, noNatan, noAdaya,

40noMakenadebhayi, noShashayi, noSharayi,

41noAzareli, noShelemiya, noShemariya,

42noShalum, noAmariya, noYosefu;

43koonyana bakaNabho yanguYehiyeli, noMatitiya, noZabhadi, noZebhina, noYadayi, noYoweli, noBhenaya.

44Bonke abo bábezeke abafazi bezinye iintlanga. Bekukho phakathi kwabo abafazi ababezele oonyana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UNehemiya

UNehemiya 1

UNehemiya uva iindaba ezimbi zivela eYerusalem, athandaze

1Ibali likaNehemiya unyana kaHakaliya. Kwathi ngenyanga enguKislevu, ngomnyaka
wamashumi amabini, ndakubona ukuba ndiseShushan komkhulu,

2kwafika uHanani, omnye wakubazalwana bam, enamadoda avela kwaYuda.
Ndababuza iindaba zamaYuda, amasalela asindileyo ekuthinjweni, nezeYerusalem.

3Bathi kum, Amaqongqolo asele ekuthinjweni, kwaYuda, asebubini obukhulu,
nasekungcikivweni; nodonga lweYerusalem luqhekekile, namasango ayo atshe
ngumlilo.

4Kwathi ndakuweva la mazwi, ndahlala phantsi, ndalila, ndenza isijwili iintsuku,
ndazila ukudla, ndathandaza phambi koThixo wamazulu,

5ndathi, Camagu, Yehova, Thixo wamazulu, Thixo omkhulu, owoyikekayo,
obagcinelayo umnqophiso nenceba abamthandayo, abayigcinayo imithetho yakhe.

6Indlebe yakho mayikhe ibázeke, namehlo akho makhe avuleke, ukuze
uwuphulaphule umthandazo womkhonzi wakho, endiwuthandazayo phambi kwakho
ngoku, imini nobusuku, ngenxa yoonyana bakaSirayeli, abakhonzi bakho; nokuzixela
kwam izono zoonyana bakaSirayeli, esoné ngazo kuwe, Mna nendlu kabawo sonile;

7sonakalisile, senza ububi ngakuwe. Asiyigcinanga imithetho, nemimiselo, namasiko,
obumwisele umthetho ngawo uMoses umkhonzi wakho.

8Khawulikhumbule ilizwi owamwisela umthetho ngalo uMoses umkhonzi wakho,
elithi, Ukuba nina nithe nenza ubumenemene, ndonichithachithela ezizweni;

9ke ukuba nithe nabuyela kum, nayigcina imithetho yam, nayenza, nokuba kuthe
kwabakho kuni abagxothelwe ekupheleni kwezulu; ndobabutha nalapho, ndibazise
kuloo ndawo ndiyinyulele ukulibeka kuyo igama lam.

10Aba ke ngabakhonzi bakho, nabantu bakho, owabakhulula ngamandla akho
amakhulu, nangesandla sakho esithe nkqi.

11Camagu, Nkosi yam, indlebe yakho mayikhe ibazelwe umthandazo womkhonzi
wakho, nomthandazo wabakhonzi bakho, abathanda ukoyika igama lakho.
Khawumphumelelise umkhonzi wakho namhla, umfumanise imfesane phambi kwale
ndoda. Ke mna ndibe ndingumngcamli kukumkani.

UNehemiya 2

UNehemiya uya eYerusalem ngemvume ka-Artashashta, azihlole iindonga

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kwathi ngenyanga enguNisan, ngomnyaka wamashumi amabini ka-Artashashta ukumkani, yabakho iwayini phambi kwakhe, ndayithabatha iwayini leyo, ndayinika ukumkani. Ke ndibe ndingazanga ndibonakale ndithe khunubembe phambi kwakhe.

2Wathi ukumkani kum, Kungani na ukuba ubuso bakho bube nje, ukuba bubi, ungafi nje? Le nto bububi bentliziyo, asinto yimbi.

3Ndoyika ke kakhulu kunene. Ndathi kukumkani, Ukumkani makadle ubomi ngonaphakade. Bebungáthini na ukuba ubuso bam bungabi bubi, ulinxuwa nje umzi lowa, indawo yamangcwaba oobawo, amasango awo etshiswe ngomlilo?

4Wathi ukumkani kum, Ùfuna ntoni na ke? Ndathandaza ke kuThixo wamazulu.

5Ndathi kukumkani, Ukuba kuthe kwalunga kukumkani, ukuba umkhonzi wakho lo úthe walungisa phambi kwakho, ndinga ungandithuma kwaYuda, kuwo umzi wamangcwaba oobawo, ndiwakhe.

6Wathi ukumkani kum (ukumkanikazi ehleli ngasecaleni lakhe), Uhambo lwakho loba lolwexesha elingakanani na? Wòbuya nini na? Kwalunga ke kukumkani ukundithuma, ndakuba ndimmisele ixesha.

7Ndathi kukumkani, Ukuba kuthe kwalunga kukumkani, mandinikwe incwadi eya kumabamba aphesheya koMlambo, andiyeke ndidlule ndide ndiye kufika kwaYuda;

8nencwadi eya kuAsafu, umgcini wehlathi lokumkani, ukuba andinike imithi yemiqadi yamasango enqaba elunge kwindlu, neyodonga lomzi, neyendlu endiya kuhlala kuyo. Wandinika ke ukumkani ngokwesandla sikaThixo esilungileyo esiphezu kwam.

9Ndafika kumabamba anganeno koMlambo, ndawanika iincwadi zokumkani. Ke kaloku ukumkani ubendikhuphele nam abathetheli bempi, nabamahashe.

10Bathi ke ooSanebhalati waseHoron, noTobhiya umkhonzi, umAmon, bakuyiva loo nto, kwaba kubi kubo ngobubi obukhulu, ukuba kufike umntu ofuna ukuba kulunge koonyana bakaSirayeli.

11Ndafika ke eYerusalem, ndaba neentsuku zantathu khona.

12Ndesuka ebusuku, mna ndinamadoda ambalwa. Àndixelelanga mntu into abeyingenise entliziyweni yam uThixo wam, ukuba ndiyenzele iYerusalem. Ndibe ndingenamaqegu, ibilelo lodwa bendikhwele kulo.

13Ndaphuma ke ebusuku ngesango lomfula, ndasinga emthonjeni wenamba, nasesangweni lezàla, ndilolonga iindonga zeYerusalem ezibe ziqhekekile, namasango ayo abetshiswe ngomlilo.

14Ndagqithela esangweni lomthombo, nasechibini lokumkani; akwabakho ndawo yokuba lithubeleze kuyo iqegu endandikhwele kulo.

15Ndakhweza ke isihlambo ngobusuku, ndilolonga udonga, ndabuya ndangena ngesango lomfula; ndabuya ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ke kaloku abaphathi babengazi apho ndandiye khona, nento endandiye kuyenza;
bendingekawaxeleli amaYuda, nababingeleli, nabanumzana, nabaphathi, nabanye
abenza umsebenzi.

17Ndathi kubo, Niyabubona ububi esikubo, ukuba iYerusalem ilinxuwa, namasango
ayo atshiswe ngomlilo; yizani, sakhe udonga lweYerusalem, singabi saba lungcikivo.

18Ndabaxelela ukulunga kwesandla soThixo wam phezu kwam, namazwi okumkani
awawathethayo kum. Bathi, Masisuke sakhe. Bazomeleza izandla zabo ukuwenza lo
msebenzi ulungileyo.

19Bathi ke ooSanebhalati waseHoron, noTobhiya umkhonzi, umAmon, noGeshem
umArabhi, bakuyiva loo nto, basigculela, basidela, bathi, Yintoni na le nto niyenzayo?
Niya kugwilika na kukumkani?

20Ndabaphendula, ndathi kubo, UThixo wamazulu nguye oya kusiphumelelisa; thina
bakhonzi bakhe siya kusuka sakhe; ke nina aninasabelo nalungelo nasikhumbuzo
eYerusalem.

UNehemiya 3

Amalungiselelo okwakha udonga

1Wesuka ke uEliyashibhi umbingeleli omkhulu, nabazalwana bakhe ababingeleli,
balakha isango lempahla emfutshane; balingcwalisa bona; bazimisa iingcango zalo,
bákha besa enqabeni ende yeMeha, bayingcwalisa, besa enqabeni ende kaHananeli.

2Ngakuye kwakusakha amadoda aseYeriko; ngakuwo kwakusakha uZakure unyana
kaImri.

3Oonyana bakaSenaha balakha isango leentlanzi; bona balihlanganisa ngemiqadi;
bazifaka iingcango zalo, nezitshixo zalo, nemivalo yalo.

4Ngakubo kwakulungiswa nguMeremoti unyana kaUriya, unyana kaHakotse;
ngakubo kulungiswa nguMeshulam unyana kaBherekiya, unyana kaMeshezabheli;
ngakubo kulungiswa nguTsadoki unyana kaBhahana;

5ngakubo kulungiswa ngabaseTekowa; ke iingangamsha zabo azizingenisanga zona
iintamo zazo enkonzweni yeNkosi yazo.

6Isango lodonga oludala lalilungiswa ngoYoyada unyana kaPaseha, noMeshulam
unyana kaBhesodiya; bona balihlanganisa ngemiqadi; bazifaka iingcango zalo
nezitshixo zalo nemivalo yalo.

7Ngakubo kwakulungiswa nguMelatiya waseGibheyon, noYadon waseMeronoti,
namadoda aseGibheyon nawaseMizpa; kwesa esihlalweni sebamba langaneno
koMlambo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ngakuye kwakulungiswa ngu-Uziyeli unyana kaHarehaya, weengcibi zegolide; ngakuye kulungiswa nguHananiya unyana wabaqholi; bayakha iYerusalem, basa eludongeni olubanzi.

9Ngakubo kwakulungiswa nguRefaya unyana kaHure, umphathi wesiqingatha sesithili saseYerusalem;

10ngakubo kulungiswa nguYedaya unyana kaHarumafi, malungana nendlu yakhe; ngakuye kulungiswa nguHatushe unyana kaHashabheniya.

11Esinye isithuba sesibini nenqaba ende yamaziko sasilungiswa nguMalekiya unyana kaHarim, noHashubhi unyana kaPahati, wakwaMowabhi.

12Ngakuye kwakulungiswa nguShalum unyana kaHaloheshe. umphathi wesiqingatha sesithili saseYerusalem; yena neentombi zakhe.

13Isango lomfula lalilungiswa nguHanun nabemi baseZanowa; bona balakha, bazifaka iingcango zalo nezitshixo zalo nemivalo yalo, newaka leekubhite eludongeni, kwada kwesa esangweni lezàla.

14Isango lezàla lalilungiswa nguMalekiya unyana kaRekabhi, umphathi wesithili seBhete-kerem; walakha, wazifaka iingcango zalo nezitshixo zalo nemivalo yalo.

15Isango lomthombo lalilungiswa nguShalum unyana kaKoli-hoze, umphathi wesithili saseMizpa; yena walakha, walifulela, wazifaka iingcango zalo, nezitshixo zalo, nemivalo yalo; walulungisa nodonga lwechibi leSilowa ngasemyezweni wokumkani; kwesa ezinyukweni zokuhla, kuvelwa emzini kaDavide.

16Emva kwakhe kwakulungiswa nguNehemiya unyana ka-Azebhuki, umphathi wesiqingatha sesithili seBhete-tsure, kwesa malunga namangcwaba kaDavide, kwesa echibini elibe lenziwe, kwesa nasendlwini yamagorha.

17Emva kwakhe kwakulungiswa ngabaLevi bakaRehum, unyana kaBhani; ngakuye kulungiswa nguHashabhiya, umphathi wesiqingatha sesithili seKehila, esithilini sakhe.

18Emva kwakhe kwakulungiswa ngabazalwana babo, uBhawayi unyana kaHenadade, umphathi wesinye isiqingatha sesithili seKehila.

19Ngakuye kwakulungiswa nguEzere unyana kaYeshuwa, umphathi weMizpa, esinye isithuba, malunga nendawo enyukayo ngasendlwini yezikrweqe ekujikeni.

20Emva kwakhe kwazondelelwa kwalungiswa nguBharuki, unyana kaZabhayi, esinye isithuba; kwathabathela ekujikeni, kwesa emnyango wendlu kaEliyashibhi, umbingeleli omkhulu.

21Emva kwakhe kwakulungiswa nguMeremoti, unyana kaUriya, unyana kaHakotsi, esinye isithuba; kwathabathela emnyango wendlu kaEliyashibhi, kwesa ekupheleni kwendlu kaEliyashibhi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Emva kwakhe kwakulungiswa ngababingeleli, amadoda aloo mmandla.

23Emva kwabo kwakulungiswa nguBhenjamin noHashubhi, malunga nendlu yabo. Emva kwabo kwakulungiswa nguAzariya, unyana kaMahaseya, unyana ka-Ananiya, ngasendlwini yakhe.

24Emva kwakhe kwakulungiswa nguBhinwi unyana kaHenadade, esinye isithuba; kwathabathela endlwini ka-Azariya, kwesa ekujikeni, kwesa embombeni.

25Kwakulungiswa nguPalali unyana kaUzayi, ethabathela malunga ekujikeni, nasenqabeni ephezulu, edulusele endlwini yokumkani, ngasentendelezweni yentolongo. Emva kwakhe kwakulungiswa nguPedaya unyana kaParoshe.

26(Ke kaloku abakhonzi betempile babehlala eOfele, besa malunga nesango lamanzi empumalanga, nenqaba ende edulusele ngaphandle.)

27Emva kwakhe kwakulungiswa ngabaseTekowa, esinye isithuba; bethabathela malungana nenqaba enkulu endulusele ngaphandle, besa eludongeni lweOfele.

28Ngentla kwesango lamahashe kwakulungiswa ngababingeleli, elowo nalowo malunga nendlu yakhe.

29Emva kwabo kwakulungiswa nguTsadoki, unyana kaImere, malunga nendlu yakhe; emva kwakhe kulungiswa nguShemaya unyana kaShekaniya, umgcini wesango langasempumalanga.

30Emva kwakhe kwakulungiswa nguHananiya unyana kaShelemiya, noHanun unyana wesithandathu kaTsalafi, esinye isithuba. Emva kwakhe kwakulungiswa nguMeshulam unyana kaBherekiya, malunga negumbi lakhe.

31Emva kwakhe kwakulungiswa nguMalekiya, oweengcibi zegolide; kwesa kwindlu yabakhonzi betempile, neyabathengi, malunga nesango likaMifekadi, kwesa kwigumbi eliphezulu lembombo.

32Phakathi kwegumbi eliphezulu lembombo nesango lempahla emfutshane, kwakulungiswa ziingcibi zegolide nabathengi.

UNehemiya 4

UNehemiya ulumkela inkcaso yabakwaSamari

1Kwathi, akuva uSanebhalati ukuba sìyalwakha udonga, wasuka wavutha umsindo wakhe, waqumba kunene, wawangcikiva amaYuda.

2Wathetha phambi kwabazalwana bakhe nempi yakwaSamari, wathi, Enza ntoni na la maYuda antshwenyileyo? ozinqabisa na? obingelela na? ogqiba namhla na? owavusa na amatye kwezi mfumba zothuli, etshile nje?

3Ke uTobhiya umAmon, engakuye, wathi, Nale nto ayakhayo, kungáthi kunyuke impungutye le, iluqhekeze udonga lwawo lwamatye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Yiva, Thixo wethu; ngokuba sideliwe, ukubuyisele ezintlokweni zabo ukungcikiva kwabo, ubanikele ekuphangweni elizweni labathinjwa.

5Musa ukubuselela ubugwenxa babo; musa ukusicima isono sabo phambi kwakho; ngokuba bakuqumbisile phambi kwabakhi.

6Salwakha ke udonga, lwadityaniswa lonke udonga, kwesa esiqingatheni sokuphakama kwalo. Abantu babenentliziyo yokusebenza.

7Kwathi, akuva uSanebhalati, noTobhiya, nama-Arabhi, nama-Amon, nama-Ashdode, ukuba ziyenyuswa iindonga zeYerusalem; ukuba ziqaliwe, ziyavingcwa iintanda: wavutha umsindo wabo kunene.

8Bacebisana kunye bonke bephela, ukuba beze kulwa neYerusalem, bayonakalise.

9Sathandaza kuThixo wethu, samisa abokulinda imini nobusuku ngenxa yabo.

10Athi amaYuda, Amandla abathwali bemithwalo ayetha, inkunkuma ininzi; thina asinakulwakha udonga.

11Ababandezeli bethu abo babesithi, Akayi kwazi, akayi kubona, side singene phakathi kwawo, siwabulale, siwumise umsebenzi.

12Kwathi, akuza amaYuda abehleli emacaleni abo, athetha kuthi izihlandlo zalishumi, ephuma ezindaweni zonke, esithi, Buyelani kuthi.

13Ndesuka, ndamisa ezindaweni ezisezantsi emva kodonga, ezindaweni ezibalelelwa lilanga, ndamisa abantu ngokwemizalwane, benamakrele abo, nezikhali zabo, nezaphetha zabo.

14Ndakhangela, ndasuka ndathi kubanumzana, nakubaphathi, nakwabanye abantu, Musani ukuboyika; khumbulani iNkosi enkulu eyoyikekayo, nilwele abazalwana benu, noonyana benu, neentombi zenu, nabafazi benu, nezindlu zenu.

15Kwathi, zakuva iintshaba zethu ukuba siyazi thina, nokuba uThixo ulitshitshisile iqhinga lazo, sabuyela sonke siphela eludongeni, elowo emsebenzini wakhe.

16Kwathi, ukususela kuloo mini, esinye isiqingatha samadodana akwam sasebenza emsebenzini, esinye isiqingatha saphatha izikhali, neengweletshetshe, izaphetha, neengubo zentsimbi; kananjalo abaphathi babeyixhasile yonke indlu kaYuda.

17Ke aba babesakha eludongeni, nabathwala imithwalo, babethwala ngesinye isandla esibe sisebenza emsebenzini, baphathe izikhali ngesinye;

18nabakhi babesakha, benxibe elowo ikrele lakhe esinqeni sakhe. Ovuthela isigodlo ubesecaleni lam.

19Ndathi kubanumzana, nakubaphathi, nakwabanye abantu, Umsebenzi lo mkhulu, ubanzi; thina sithe saa eludongeni, omnye ekude komnye.

20Endaweni enithe neva ilizwi lesigodlo, nobuthelana kuyo kum; uThixo wosilwela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Sasisebenza emsebenzini, isiqingatha sawo siphethe izikhali, siqalela ekuphumeni kwesifingo, sizise ekuveleni kweenkwenkwezi.

22Kananjalo ndathi ngelo xesha ebantwini, Elowo nendodana yakwakhe makalale phakathi eYerusalem ebusuku, ukuze babe ngabalindi kuthi ebusuku, emini babe semsebenzini.

23Ke mna, nabazalwana bam, namadodana akwam, namadoda alindayo abendilandela, sibe singazikhululi iingubo zethu. Elowo ebenekrele lakhe kwesokunene.

UNehemiya 5

Amalinga kaNehemiya okunceda amahlwempu

1Ke kaloku kwabakho ukukhala okukhulu kwabantu nabafazi babo ngabazalwana babo amaYuda.

2Bekukho ababesithi, Sibaninzi thina, oonyana bethu, neentombi zethu; masamkele ingqolowa, ukuze sidle, siphile.

3Bekukho nababesithi, Amasimi ethu, nezidiliya zethu, nezindlu zethu, sibambisile ngazo; masamkele ingqolowa ngenxa yendlala.

4Bekukho nababesithi, Siboleké imali yokurhafela ukumkani, ngokubambisa ngamasimi ethu nezidiliya zethu.

5Kaloku inyama yethu ikwanjengenyama yabazalwana bethu, noonyana bethu bakwanjengoonyana babo; ukanti siyabanyanzela oonyana bethu neentombi zethu, ukuba babe ngamakhoboka; ezintombini zethu kukho nesezinyanzelwe; akukho mandla esandleni sethu, amasimi ethu nezidiliya zethu zizezabanye nje.

6Wavutha ke kakhulu umsindo wam, ndakukuva ukukhala kwabo, naloo mazwi.

7Ndafuna iqhinga entliziyweni yam, ndabambana nabanumzana nabaphathi, ndathi kubo, Niyadlana ngokuboleka. Ndabamisela ibandla elikhulu, ndathi kubo,

8Thina, ngangoko sinako, sibathengile sabakhulula abazalwana bethu amaYuda, ebe kuthengiswe ngabo kwiintlanga. Niya kusuka ke nina nithengise na ngabazalwana benu, ukuze bathengise ngeziqu zabo kuthi? Bathi cwaka, àbafumana lizwi lakuphendula.

9Ndathi, Ayilungile le nto niyenzayo; nibe ningafanele na ukuhamba ekoyikeni uThixo wethu, ngenxa yokungcikiva kweentlanga eziziintshaba zethu?

10Kananjalo mna, abazalwana bam, namadodana akwam, sibaboleké imali nengqolowa; makhe sikuyeke oku kuboleka ngokubambisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Khanibabuyisele kwanamhlanje amasimi abo, nezidiliya zabo, nezinquma zabo, nezindlu zabo; nesekhulu isahlulo semali, nesengqolowa, nesewayini entsha, neseoli, eniyibize kubo iyinzuzo.

12Bathi, Siya kusibuyisa, singabizi nto kubo; siya kwenza njengoko utshoyo. Ndabiza ababingeleli, ndabafungisa ukuba benze ngokwelo lizwi.

13Kananjalo ndavuthulula isondo lengubo yam, ndathi, UThixo makenjenje ukubavuthulula ezindlwini zabo, nasekuxelengeni kwabo, bonke abantu abangayi kulimisa elo lizwi; mabenjiwe nje ukuvuthululwa, balambathe. Lathi lonke ibandla, Amen; bamdumisa uYehova. Benza ke abantu ngokwelo lizwi.

14Kananjalo kususela kumhla endamiselwa ukuba ndibe libamba labo ezweni lakwaYuda, ndithabathela kumnyaka wamashumi amabini, ndezisa kumnyaka wamashumi amathathu anamibini ka-Artashashta ukumkani, iyiminyaka elishumi elinamibini, mna nabazalwana bam asidlanga kudla kwabamba.

15Ke amabamba okuqala abephambi kwam enza kwaba nzima ebantwini, athabatha kubo isonka newayini; emveni koko athabatha amashumi amané eeshekele zesilivere; kananjalo amadodana akwawo enza ngegunya ebantwini. Ke mna andenjanga njalo, ngokoyika uThixo.

16Kananjalo ndabamba emsebenzini wolo donga; asithenganga masimi; onke amadodana akwam ayehlanganisene khona emsebenzini.

17Ke amaYuda, abaphathi, amadoda alikhulu elinamanci mahlanu, kwanawezáyo kuthi, evela ezintlangeni ezisijikelezileyo, abe esetafileni yam.

18Into ebe ilungiselelwa imini enye yaba yinkomo, neegusha ezikhethiweyo ezintandathu, neentaka, bekusenzelwa mna; neentlobo zonke ezininzi zewayini ngeentsuku ezilishumi; kuloo nto andibizanga kudla kwabamba, ngokuba yayinzima inkonzo phezu kwaba bantu.

19Ndíkhumbulele okulungileyo, Thixo wam, ngako konke endikwenzele aba bantu.

UNehemiya 6

Amalinga kaSanebhalati okuthintela ukwakha

1Kwathi, kwakuvakala kuSanebhalati, nakuTobhiya, nakuGeshem umArabhi, nakwezinye iintshaba zethu, ukuba ndilwakhile udonga, akwasala luthanda kulo (nakuba kwada kwalelo xesha ndingazimisanga iingcango emasangweni),

2bathumela kum uSanebhalati noGeshem, besithi, Yiza, sihlangane komnye wemizana esesihlanjeni seOno.

3Babecinga ukundenza into embi. Ndathumela abathunywa kubo, ndathi, Ndenza umsebenzi omkhulu, andinakuhla; yini na ukuba ume umsebenzi lo, ngokuthi ndiwuyeke, ndihle ndize kuni?

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Bathumela kum ngokunjalo izihlandlo zaziné, ndabaphendula kwangelo lizwi.

5USanebhalati wathumela ngokunjalo kum indodana yakwakhe, isihlandlo sesihlanu, inencwadi evulekileyo esandleni sayo;

6kubhalwe kuyo kwathiwa, Kuvakele ezintlangeni, utsho noGashemu ukuthi, Wena namaYuda nicinga ukugwilika; ùlwakha ngenxa yoko udonga olo; ùnqwenele ukuba ngukumkani wawo, ngokwaloo mazwi.

7Kananjalo ùmise abaprofeti bokumemeza ngawe eYerusalem, besithi, Kumkani wamaYuda! Ngoko ke kuya kuvakala kukumkani ngokwaloo mazwi; yiza ke ngoko, sicebisane.

8Ndathumela kuye, ndathi, Akukho nto injengaleyo uyithethayo, iyiloo nto uyicamngce entliziyweni yakho.

9Ngokuba bonke bephela bebesoyikisa, besithi, Izandla zawo ziya kuwuyeka lo msebenzi, ungènziwa. Ngoko, Thixo, zomeleze izandla zam.

10Ndaya endlwini kaShemaya unyana kaDelaya, unyana kaMehetabheli, evalelwe; wathi, Masihlangane endlwini kaThixo, ngaphakathi kwetempile, sizivale iingcango zetempile leyo; ngokuba baza kukubulala; ebusuku baya kuza kukubulala.

11Ndathi, Kubáleke indoda enjengam nje na? Yiyiphi na enjengam eya kungena etempileni isinde? Andiyi kungena.

12Ndaqonda: O! AsinguThixo lo umthumileyo; isiprofeto esi usithethé ngam ngokuqeshwa nguSanebhalati noTobhiya.

13Ubeqeshelwe ukuze ndoyike, ndenze loo nto, ndone; ndibe negama elibi kubo, ukuze bandingcikive.

14Bakhúmbule, Thixo wam, ooTobhiya noSanebhalati ngokwezo zenzo zabo, kwanoNowadiya umprofetikazi, nabanye abaprofeti ababendoyikisa.

15Lwagqitywa udonga ngomhla wamashumi amabini anesihlanu kaEluli, ngemihla emashumi mahlanu anamibini.

16Kwathi zakukuva oko iintshaba zethu zonke, zoyika zonke iintlanga ezisijikelezileyo, zetha amandla emehlweni azo, zazi ukuba kuvele kuThixo wethu ukwenziwa kwalo msebenzi.

17Kananjalo ngaloo mihla, abanumzana bakwaYuda bazongeza iincwadi eziya kuTobhiya, nezikaTobhiya bezisiza kubo.

18Ngokuba bebebaninzi kwaYuda ababemfungele; ngokuba ebengumyeni kwaShekaniya unyana ka-Ara; noYohanan unyana wakhe ubezeke intombi kaMeshulam unyana kaBherekiya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Kananjalo ukulunga kwakhe babekuthetha phambi kwam, namazwi am bewasa kuye. UTobhiya wathumela iincwadi zokundoyikisa.

UNehemiya 7

Uluhlu lwabasemfudusweni ababuyisiweyo

1Ke kaloku kwathi, lwakwakhiwa udonga, ndazifaka iingcango; bamiswa abamasango, nabavumi, nabaLevi, ukuba bagcine umsebenzi wabo.

2Ndamwisela umthetho uHanani umzalwana wam, noHananiya umphathi wenqaba, ngeYerusalem; ngokuba ebeyindoda enyanisekileyo, emoyikayo uThixo ngaphezu kwabaninzi.

3Ndathi kubo, Amasango aseYerusalem makangavulwa, lide lifudumale ilanga; bathi, besemi belinda, bazivale iingcango, bazitshixe; nimise abagcini abangabemi baseYerusalem, elowo abe selugcinweni lwakhe, elowo abe phambi kwendlu yakhe.

4Umzi ububanzi ngeenxa zombini, umkhulu; abantu bembalwa phakathi kwawo, kungakhiwanga zindlu.

5UThixo wam wangenisa entliziyweni yam, ukuba ndibabuthe abanumzana, nabaphathi, nabantu, ukuba ndibabhalele emilibeni yokuzalwa. Ndafumana incwadi yemilibo yokuzalwa kwâbo babenyuke ekuqaleni; ndafumana kubhaliwe khona kwathiwa:

6Ngabo aba oonyana belizwe lakwaYuda, abanyukáyo kwabathinjiweyo basemfudusweni, awayebafudusile uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, ábabuyela eYerusalem nakwaYuda, elowo wabuyela emzini wakowabo,

7abeza noZerubhabheli, noYeshuwa, noNehemiya, noAzariya, noRahamiya, noNahamani, noMordekayi, noBhileshan, noMisperete, noBhigevayi, noNehum, noBhahana. Inani lamadoda, abantu bakwaSirayeli, yayileli:

8oonyana bakaParoshe ibingamawaka amabini, anekhulu elinamanci asixhenxe anababini.

9Oonyana bakaShefatiya ibingamakhulu amathathu, anamanci asixhenxe anababini.

10Oonyana baka-Ara ibingamakhulu amathandathu, anamanci mahlanu anababini.

11Oonyana bakaPahati wakwaMowabhi, koonyana bakaYeshuwa noYowabhi, ibingamawaka amabini, anamakhulu asibhozo, anashumi linye linesibhozo.

12Oonyana bakaElam ibiliwaka, elinamakhulu amabini, anamanci mahlanu anabané.

13Oonyana bakaZatu ibingamakhulu asibhozo, anamanci mané anabahlanu.

14Oonyana bakaZakayi ibingamakhulu asixhenxe, anamanci mathandathu.

15Oonyana bakaBhinwi ibingamakhulu amathandathu, anamanci mané anesibhozo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Oonyana bakaBhebhayi ibingamakhulu amathandathu, anamanci mabini anesibhozo.

17Oonyana baka-Azegadi ibingamawaka amabini, anamakhulu mathathu, anamanci mabini anababini.

18Oonyana baka-Adonikam ibingamakhulu amathandathu, anamanci mathandathu anesixhenxe.

19Oonyana bakaBhigevayi ibingamawaka amabini, anamanci mathandathu anesixhenxe.

20Oonyana baka-Adin ibingamakhulu amathandathu, anamanci mahlanu anabahlanu.

21Oonyana baka-Atere kaHezekiya ibingamashumi asithoba anesibhozo.

22Oonyana bakaHashum ibingamakhulu amathathu, anamanci mabini anesibhozo.

23Oonyana bakaBhetsayi ibingamakhulu amathathu, anamanci mabini anabané.

24Oonyana bakaHarifi ibilikhulu, elinashumi linye linababini.

25Oonyana baseGibheyon ibingamashumi asithoba anabahlanu.

26Amadoda aseBhetelehem naseNetofa ibilikhulu, elinamanci asibhozo anesibhozo.

27Amadoda aseAnatoti ibilikhulu, elinamanci mabini anesibhozo.

28Amadoda aseBhete-azemavete ibingamashumi amané anamabini.

29Amadoda aseKiriyati-yeharim, neKefira, neBheroti ibingamakhulu asixhenxe, anamanci mané anamathathu.

30Amadoda aseRama neGabha ibingamakhulu amathandathu, anamanci mabini ananye.

31Amadoda aseMikimas ibilikhulu, elinamanci mabini anamabini.

32Amadoda aseBheteli neAyi ibilikhulu, elinamanci mabini anamathathu.

33Amadoda enye iNebho ibingamashumi amahlanu anamabini.

34Oonyana bomnye uElam ibiliwaka elinamakhulu amabini, anamanci mahlanu anabané.

35Oonyana bakaHarim ibingamakhulu amathathu, anamanci mabini.

36Oonyana baseYeriko ibingamakhulu amathathu, anamanci mané anabahlanu.

37Oonyana baseLodi neHadidi neOno ibingamakhulu asixhenxe, anamanci mabini anamnye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

38Oonyana baseSenaha ibingamawaka amathathu, anamakhulu asithoba, anamanci mathathu.

39Ababingeleli: oonyana bakaYedaya, bendlu kaYeshuwa, ibingamakhulu asithoba, anamanci asixhenxe anabathathu.

40Oonyana bakaImere ibiliwaka, elinamanci mahlanu anababini.

41Oonyana bakaPashure ibiliwaka, elinamakhulu amabini, anamanci mané anesixhenxe.

42Oonyana bakaHarim ibiliwaka elinashumi linye linesixhenxe.

43AbaLevi: oonyana bakaYeshuwa noKademiyeli, koonyana bakaHodeva, ibingamashumi asixhenxe anabané.

44Iimvumi: oonyana baka-Asafu ibilikhulu, elinamanci mané anesibhozo.

45Abamasango: oonyana bakaShalum, oonyana baka-Atere, oonyana bakaTalemon, oonyana baka-Akubhi, oonyana bakaHatita, oonyana bakaShobhayi, ibilikhulu, elinamanci mathathu anesibhozo.

46Abakhonzi betempile: oonyana bakaTsiha, oonyana bakaHasufa, oonyana bakaTabhahoti,

47oonyana bakaKerosi, oonyana bakaSiha, oonyana bakaPadon,

48oonyana bakaLebhana, oonyana bakaHagabha, oonyana bakaSalemayi,

49oonyana bakaHanan, oonyana bakaGidele, oonyana bakaGahare,

50oonyana bakaRehaya, oonyana bakaRetsin, oonyana bakaNekoda,

51oonyana bakaGazam, oonyana bakaUza, oonyana bakaPaseha,

52oonyana bakaBhetsayi, oonyana bakaMehunim, oonyana bakaNefishesim,

53oonyana bakaBhakebhuki, oonyana bakaHakufa, oonyana bakaHarehure,

54oonyana bakaBhatseliti, oonyana bakaMehida, oonyana bakaHarsha,

55oonyana bakaBharkosi, oonyana bakaSisera, oonyana bakaTama,

56oonyana bakaNetsiha, oonyana bakaHatifa.

57Oonyana babakhonzi bakaSolomon: oonyana bakaSotayi, oonyana bakaSoferete, oonyana bakaPerida,

58oonyana bakaYahala, oonyana bakaDarkon, oonyana bakaGidele,

59oonyana bakaShefatiya, oonyana bakaHatili, oonyana bakaPokerete-tsebhayim, oonyana baka-Amon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

60Bonke abakhonzi betempile, noonyana babakhonzi bakaSolomon, ibingamakhulu amathathu, anamanci asithoba anababini.

61Ngabo aba abenyuka bevela eTelemela, naseTele-harsha, naseKerubhiadoni-mere; ke ababanga nakuzixela izindlu zooyise nomnombo wabo, ukuba ngabakwaSirayeli na:

62oonyana bakaDelaya, oonyana bakaTobhiya, oonyana bakaNekoda, babengamakhulu omathandathu, anamanci mané anababini.

63Ke kubabingeleli: oonyana bakaHabhaya, oonyana bakaHakotse, oonyana bakaBharzilayi, owazeka umfazi ezintombini zikaBharzilayi waseGiliyadi, wabizwa ngegama lazo:

64abo bakúfuna ukubhalwa kwabo kwababhalelwáyo emilibeni yokuzalwa, abakufumana; bangcola ke, ababa sebubingelelini.

65Irhuluneli yathi kubo, mabangadli nto kwezingcwele kanye, kude kuvele umbingeleli oneeUrim neeTumim.

66Lonke ibandla lindawonye ibe ingamawaka angamashumi amané anamabini, anamakhulu mathathu, anamanci mathandathu;

67zizodwa izicaka zabo ezi nezicakakazi zabo ezi, zingamawaka asixhenxe, anamakhulu amathathu, anamanci mathathu anesixhenxe; zineemvumi neemvumikazi ezingamakhulu amabini, anamanci mané anantlanu.

68Amahashe abo ibingamakhulu asixhenxe, anamanci mathathu anamathandathu; oondlebende babo ibingamakhulu amabini, anamanci mané anabahlanu;

69iinkamela ibingamakhulu amané, anamanci mathathu anantlanu; amaesile ibingamawaka amathandathu, anamakhulu asixhenxe, anamanci mabini.

70Inxenye yeentloko zezindlu zooyise yanikela emsebenzini. Irhuluneli yanikela ebuncwaneni igolide eliwaka leedarike, namashumi amahlanu ezitya zokutshiza, namashumi amathathu eengubo zangaphantsi zababingeleli, nesilivere engamawaka amahlanu eemina.

71Inxenye yeentloko zezindlu zooyise yanikela ebuncwaneni bomsebenzi igolide engamawaka amashumi amabini eedarike, nesilivere engamawaka amabini, anamakhulu amabini eemina.

72Okwanikwayo ngabanye abantu ibe iyigolide engamawaka amashumi amabini eedarike, nesilivere engamawaka amabini, namashumi amathandathu anesixhenxe eengubo zangaphantsi zababingeleli.

73Bahlala ke ababingeleli, nabaLevi, nabamasango, neemvumi, nenxenye yabantu, nabakhonzi betempile, namaSirayeli onke emizini yakomawabo. Ithe yakufika inyanga yesixhenxe, baba oonyana bakaSirayeli besemizini yakomawabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UNehemiya 8

Ukufundwa komyalelo nguEzra

1Bahlangana bonke abantu njengamntu mnye endaweni yembutho ephambi kwesango lamanzi, bathi kuEzra umbhali, makazise incwadi yomyalelo kaMoses, awawumiselayo uYehova kumaSirayeli.

2UEzra umbingeleli wawuzisa umyalelo phambi kwebandla elo, lithabathele kwindoda lesa kumfazi, nakubo bonke abanokuva baqonde, ngomhla wokuqala wenyanga yesixhenxe.

3Walesa kuwo phambi kwendawo yembutho ephambi kwesango lamanzi, eqale ekuseni kwada kwaba semini enkulu, phambi kwamadoda nabafazi, nabasebenokuqonda; iindlebe zabantu bonke zaphulaphula loo ncwadi yomyalelo.

4Wema ke uEzra umbhali esikhwelweni somthi, ababesenzele loo nto. Kwema ngakuye uMatitiya, noShema, noAnaya, noUriya, noHilekiya, noMahaseya, ngasekunene kwakhe; ngasekholo yanguPedaya, noMishayeli, noMalekiya, noHashum, noHashebhadana, noZekariya, noMeshulam.

5UEzra wayivula incwadi emehlweni abantu bonke (ngokuba wayebaphakamele abantu bonke); akuyivula, bema abantu bonke.

6UEzra wambonga uYehova, uThixo omkhulu. Baphendula bonke abantu, bathi, Amen, amen, bephakamisa izandla zabo. Bathoba, baqubuda kuYehova, bebhekise ubuso babo emhlabeni.

7OoYeshuwa, noBhani noSherebhiya, noYamin, noAkubhi, noShabhetayi, noHodiya, noMahaseya, noKelita, noAzariya, noYozabhadi, noHanan, noPelaya, nabaLevi, babaqondisa abantu umyalelo, abantu bemi ezindaweni zabo.

8Balesa encwadini, emyalelweni kaThixo, ngokucacileyo, beqononondisa; bakúqonda ke ukulesa oku.

9Wathi uNehemiya oyirhuluneli, noEzra umbingeleli, umbhali, nabaLevi abazondisa abantu, ebantwini bonke, Le mini ingcwele kuYehova uThixo wethu; musani ukwenza isijwili, musani ukulila. Ngokuba babelila bonke abantu, bakuweva amazwi omyalelo lowo.

10Wathi kubo, Yiyani, nidle amanqatha, nisele izinto ezinencasa, nise isabelo kwabangalungiselwanga nto; ngokuba le mini ingcwele kwiNkosi yethu. Musani ukuba buhlungu; ngokuba uvuyo lukaYehova ligwiba lenu.

11NabaLevi babebathuthuzela abantu bonke, besithi, Yithini tu; ngokuba le mini ingcwele; musani ukuba buhlungu.

12Besuka bonke abantu, baya kudla, basela, bathuma izabelo, bavuya kakhulu; ngokuba bawaqonda amazwi ababewaxelelwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Isidlo seminquba

13Ngomhla wesibini kwahlanganisana iintloko zezindlu zooyise zabantu bonke,
nezababingeleli, nezabaLevi, zeza kuEzra umbhali ukuwaqiqa amazwi omyalelo.

14Bafumana kubhaliwe emyalelweni, awawumiselayo uYehova ngoMoses, ukuthi,
oonyana bakaSirayeli mabahlale eminqubeni ngomthendeleko wenyanga
yesixhenxe;

15nokuthi mabavakalise, bahambise ilizwi emizini yabo yonke, naseYerusalem,
lokuthi, Phumani niye ezintabeni, nize namahlamvu eminquma, namahlamvu
eminquma yasendle, namahlamvu emimirtile, namahlamvu esundu, namahlamvu
emithi ethe shinyi, ukuze kwenziwe iminquba ngoko kubhaliweyo.

16Baphuma abantu, bawàzisa, bazenzela iminquba, elowo phezu kwendlu yakhe,
nasezintendelezweni zabo, nasezintendelezweni zendlu kaThixo, nasendaweni
yembutho yesango lamanzi, nasendaweni yembutho yesango likaEfrayim.

17Lonke ibandla elalibuye ekuthinjweni lenza iminquba, lahlala eminqubeni; ngokuba
oonyana bakaSirayeli babengenzanga ngokunjalo kususela kwimihla kaYoshuwa
unyana kaNun, kwada kwayiloo mini. Kwabakho ke uvuyo olukhulu kunene.

18Kwaleswa encwadini yomyalelo kaThixo imihla ngemihla, kwathabathela kumhla
wokuqala kwezisa kumhla wokugqibela. Benza umthendeleko imihla yasixhenxe;
ngomhla wesibhozo yaba yingqungquthela ngokwesiko.

UNehemiya 9

Ukuzila ukudla ngengxelo-zono yabantu bonke, nokuhlaziywa komnqophiso

1Ke kaloku ngomhla wamashumi amabini anesiné waloo nyanga, bahlanganisana
oonyana bakaSirayeli, bezila ukudla, beneengubo ezirhwexayo, bezigalele umhlaba.

2Yazahlula imbewu kaSirayeli koonyana bonke bolunye uhlanga, bema bazixela izono
zabo, nobugwenxa booyise.

3Bema endaweni yabo, belesa encwadini yomyalelo kaYehova uThixo wabo, isahlulo
sesiné semini; esinye isahlulo sesiné bexela izono zabo, bemnqula uYehova uThixo
wabo.

4Benyuka bema esikhwelweni sabaLevi ooYeshuwa noBhani, noKademiyeli,
noShebhaniya, noBhuni, noSherebhiya, noBhani, noKenani; bamemeza ngezwi
elikhulu kuYehova uThixo wabo.

5Bathi abaLevi, ooYeshuwa, noKademiyeli, noBhani, noHashabheneya, noSherebhiya,
noHodiya, noShebhaniya, noPetaya: Sukani nime. Bongani uYehova uThixo wenu,
kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni. Malibongwe igama lobuqaqawuli
bakho, elikuphakameleyo konke ukubonga nokudumisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wena unguYehova wedwa, wena wenza izulu, izulu lawo amazulu, nomkhosi wawo
wonke, umhlaba nento yonke ephezu kwawo, iilwandle neento zonke ezikhona,
uzidilisa ubomi zonke ezo zinto; umkhosi wamazulu uqubuda kuwe.

7Wena unguYehova, uThixo owanyula uAbram, wamkhupha eUre yamaKaledi,
wamthiya igama elinguAbraham.

8Wayifumana intliziyo yakhe inyanisekile phambi kwakho, wenza naye umnqophiso
wokulinika ilizwe lamaKanan, namaHeti, nama-Amori, namaPerizi, namaYebhusi,
namaGirgashi, wokulinika imbewu yakhe; wawamisa ke amazwi akho, ngokuba
ùlilungisa.

9Wazibona iintsizi zoobawo eYiputa, wakúva ukukhala kwabo eLwandle oluBomvu;

10wenza imiqondiso nezimanga kuFaro, nakubakhonzi bakhe bonke, nakubantu
bonke belizwe lakhe, ngokuba ubusazi ukuba baye bebakhukhumalele; wazenzela
igama njengoko kunjalo nanamhla.

11Walwahlula ulwandle phambi kwabo; bawela elwandle komile, abasukeli babo
wabazulumbela ezinzulwini njengelitye emanzini anamandla.

12Wabakhokela ngomqulu welifu emini, nangomqulu womlilo ebusuku, ukuba
ubakhanyisele indlela ababehamba ngayo.

13Wehla phezu kwentaba yeSinayi, wathetha nabo uvela emazulwini, wabanika
amasiko athe tye, nemiyalelo eyinyaniso, nemimiselo, nemithetho elungileyo;

14wabazisa isabatha yakho engcwele, wabamisela imithetho, nemimiselo, nomyalelo,
ngesandla sikaMoses umkhonzi wakho.

15Wabanika isonka sasezulwini ngenxa yokulamba kwabo, wabavelisela namanzi
engxondorheni ngenxa yokunxanwa kwabo; wathi kubo, mabaye kulihlutha ilizwe,
owabaphakamisela isandla sakho, ukuba wobanika lona.

16Ke bona oobawo bakhukhumala, bazenza lukhuni iintamo zabo, àbayiphulaphula
imithetho yakho.

17Àbavuma ukuva, àbayikhumbula imisebenzi yakho ebalulekileyo, owayenzayo
kubo. Bazenza lukhuni iintamo zabo, bamisa iintloko, ukuba babuyele ebukhobokeni
babo ngeenkani zabo; wena wathi, kuba ùnguThixo wokuxolela, ubabala,
unemfesane, uzeka kade umsindo, umninzi ngenceba, àkwabashiya.

18Noko ke bazenzela ithole elingumfanekiso otyhidiweyo, bathi, Nguye lo uThixo
wakho owakunyusayo eYiputa; bakugiba kakhulu.

19Ke wena, ngeemfesane zakho ezinkulu, akubashiyanga entlango; umqulu welifu
wokubakhokela ngendlela awumkanga kubo emini, nomqulu womlilo ebusuku
wokubakhanyisela indlela abahamba ngayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

20Wabanika umoya wakho olungileyo, ukuba ubaqononondise; akuwuvimbanga umlomo wabo imana yakho, wabanika amanzi ngenxa yenxano labo.

21Iminyaka emashumi mané wabafunzela entlango, àbaswela nto; iingubo zabo azonakalanga bububdala, iinyawo zabo azidumbanga.

22Wabanika izikumkani nezizwe, wabahlulahlula ngokwemida yabo; balihlutha ilizwe lakwaSihon, ilizwe lokumkani waseHeshbhon, kwanelizwe likaOgi ukumkani waseBhashan.

23Wabandisa oonyana babo njengeenkwenkwezi zezulu; wabazìsa kwelo zwe, wàthi kooyise mabaze balihluthe.

24Bangena ke oonyana abo, balihlutha ilizwe elo; wabathoba phambi kwabo abemi belizwe, amaKanan, wawanikela ezandleni zabo, ookumkani bawo nezizwe zelizwe elo, ukuba benze kuzo ngokuzithandela kwabo.

25Bayithimba imizi enqatyisiweyo, nomhlaba otyebileyo; bahlutha izindlu zizele zizinto zonke ezintle, amaqula ambiweyo, nezidiliya, nezinquma, nemithi edliwayo yamininzi. Badla, bahlútha, batyeba, baziyolisa ngokulunga kwakho okukhulu.

26Besuka baphika, bagwilika kuwe, umyalelo wakho bawuphosela emva komhlana wabo, bababulala abaprofeti bakho ababengqina kubo, ukuba bababuyisele kuwe; bakugiba kakhulu.

27Wabanikela ezandleni zababandezeli babo, bababandezela. Ngexesha lokubandezelwa kwabo bakhala kuwe; wena weva usemazulwini, wabanika abasindisi ngokweemfesane zakho ezinkulu, babasindisa ezandleni zababandezeli babo.

28Bakuba nokuphumla, babuya benza okubi phambi kwakho, wabashiya ezandleni zeentshaba zabo, zabanyathela. Babuya bakhala kuwe; wena weva usemazulwini, wabahlangula ngokweemfesane zakho amaxesha amaninzi.

29Wangqina ngabo, ukuba ubabùyisele emyalelweni wakho; ke bona bakhukhumala, abayiphulaphula imithetho yakho; amasiko akho bóna kuwo, awothi umntu owenzayo aphile ngawo; bamangala negxalaba, bazenza lukhuni iintamo zabo, abaphulaphula.

30Wabathwala iminyaka emininzi, wangqina ngabo ngoMoya wakho, ngabaprofeti bakho; àbakubekela ndlebe; wabanikela ke ezandleni zezizwe zamazwe.

31Ke ngeemfesane zakho ezinkulu akubagqibanga kuphele, akubashiyanga; ngokuba unguThixo onobabalo, nemfesane.

32Kaloku, Thixo wethu, Thixo omkhulu, oligorha, owoyikekayo, ogcina umnqophiso nenceba, mayingabi ncinane phambi kwakho yonke indiniso esiyifumeneyo thina, nookumkani bethu, nabathetheli bethu, nababingeleli bethu, nabaprofeti bethu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

noobawo, nabantu bakho bonke, kususela kwimihla yookumkani baseAsiriya, kude kube yile mini.

33Ùlilungisa entweni yonke esifikeleyo; ngokuba wena wenzé inyaniso, ke thina senzé okungendawo.

34OoKumkani bethu, nabathetheli bethu, nababingeleli bethu, noobawo, abawenzanga umyalelo wakho, abazibazanga iindlebe emithethweni yakho, nasezingqinweni zakho, owangqina ngazo ngabo.

35Bòna, ebukumkanini babo, ekulungeni kwakho okukhulu owabanikayo, ezweni elibanzi, elityebileyo, owabanikayo, àbakukhonzanga, ababuyanga ezenzweni zabo ezibi.

36Yabona, singabakhonzi namhla; nelizwe owalinika oobawo, ukuba sidle iziqhamo zalo nokulunga kwalo, nanku singabakhonzi kulo.

37Ungeniselo lwalo lilwandisela ookumkani, owabamisa phezu kwethu ngenxa yezono zethu; bayayilawula imizimba yethu neenkomo zethu, ngokuzithandela kwabo; sisembandezelweni enkulu.

38Ngezo zinto zonke senza umnqophiso wenene, sawubhala; bawutywina abathetheli bethu, nabaLevi bethu, nababingeleli bethu.

UNehemiya 10

Abo bawutywinayo umnqophiso

1Abo ke bawutywinayo: nguNehemiya irhuluneli, unyana kaHakaliya, noZedekiya,

2noSeraya, noAzariya, noYeremiya,

3noPashure, noAmariya, noMalekiya,

4noHatushe, noShebhaniya, noMaluki,

5noHarim, noMeremoti, no-Obhadiya,

6noDaniyeli, noGineton, noBharuki,

7noMeshulam, noAbhiya, noMiyamin,

8noMahazeya, noBhilegayi, noShemaya; abo ngababingeleli.

9AbaLevi: nguYeshuwa unyana ka-Azaniya, noBhinwi koonyana bakaHenadade, noKademiyeli.

10Nabazalwana babo: nguShebhaniya, noHodiya, noKelita, noPelaya, noHanan,

11noMika, noRehobhi, noHashabhiya,

12noZakure, noSherebhiya, noShebhaniya,

13noHodiya, noBhani, noBheninu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Iintloko zabantu: nguParoshe, noPahati wakwaMowabhi, noElam, noZatu, noBhani,

15noBhuni, noAzegadi, noBhebhayi,

16noAdoniya, noBhigvayi, noAdin,

17noAtere, noHezekiya, noAzure,

18noHodiya, noHashum, noBhetsayi,

19noHarifi, noAnatoti, noNebhayi,

20noMagepihashe, noMeshulam, noHezire,

21noMeshezabheli, noTsadoki, noYaduwa,

22noPelatiya, noHanan, noAnaya,

23noHosheya, noHananiya, noHashubhi,

24noHaloheshe, noPileha, noShobheki,

25noRehum, noHashabena, noMahaseya,

26noAhiya, noHanan, noAnan,

27noMaluki, noHarim, noBhahana.

28Abanye abantu, ababingeleli, nabaLevi, nabamasango, neemvumi, nabakhonzi betempile, nabo bonke ababezahlule kwizizwe zamazwe, beza emyalelweni kaThixo; abafazi babo, noonyana babo, neentombi zabo, bonke abasebenokwazi nokuqonda.

29Babambelela kubazalwana babo, iingangamsha zabo, bangena esiqalekisweni nasesifungweni sokuhamba ngomyalelo kaThixo, owawiswa ngesandla sikaMoses umkhonzi kaThixo, nokuyigcina nokuyenza yonke imithetho kaYehova iNkosi yethu, namasiko akhe, nemimiselo yakhe:

30singàzendiseli iintombi zethu kwizizwe zeli lizwe, singabazekeli oonyana bethu iintombi zazo;

31sithi izizwe zeli lizwe ezizisa izinto zentengo, nengqolowa, nokuba yiyiphi, ngemini yesabatha, zithengisa, singathengi kuzo ngesabatha nangomhla ongcwele; siwuyeke ulale umnyaka wesixhenxe, nento ebolekiweyo sisandla nokuba sesikabani.

32Sizimisele imithetho yokubeka phezu kwethu isahlulo sesithathu seshekele ngomnyaka, ngenxa yenkonzo yendlu kaThixo wethu:

33ngenxa yezonka ezicwangcisiweyo, nomnikelo wokudla wamaxesha onke, nangenxa yedini elinyukayo lamaxesha onke, nelesabatha, nelokuthwasa kwenyanga, nangenxa yamaxesha amisiweyo, nangenxa yezinto ezingcwele, nangenxa yamadini ezono okucamagushela amaSirayeli, nomsebenzi wonke wendlu kaThixo wethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Sibawisele amaqashiso ngomsondezo weenkuni ababingeleli, nabaLevi, nabantu, ukuba ziziswe endlwini kaThixo wethu, ngokwezindlu zethu zooyise, ngamaxesha amisiweyo, iminyaka ngeminyaka, ukuba zibaswe esibingelelweni sikaYehova uThixo wethu, ngoko kubhaliweyo emyalelweni;

35sizíse iintlahlela zomhlaba wethu, neentlahlela zeziqhamo zonke zemithi yonke, iminyaka ngeminyaka, endlwini kaYehova;

36nabamazibulo koonyana bethu nawemfuyo yethu, ngoko kubhaliweyo emyalelweni, namazibulo eenkomo zethu, nawempahla emfutshane, siwazìse endlwini kaThixo wethu, kubabingeleli abalungiselelayo endlwini kaThixo wethu;

37neentlahlela zemigrayo yethu, nemirhumo yethu, neziqhamo zemithi yonke, iwayini entsha, neoli, sizizìse kubabingeleli emagumbini endlu kaThixo wethu; nezishumi zemihlaba yethu kubaLevi; bona abaLevi bazàmkele izishumi emizini yonke esilima kuyo.

38Umbingeleli unyana ka-Aron aze abekho nabaLevi, ekuzamkeleni kwabaLevi izishumi; bazinyuse abaLevi izishumi zezishumi ezo, bazizise endlwini kaThixo wethu, emagumbini endlu yobuncwane;

39ngokuba oonyana bakaSirayeli noonyana bakaLevi baya kuzisa umrhumo wengqolowa, newayini entsha, neoli, emagumbini apho zikhona iimpahla ezingcwele, nababingeleli abalungiselelayo, nabamasango, neemvumi; indlu kaThixo wethu singayishiyi.

UNehemiya 11

Abemi baseYerusalem

1Bahlala abathetheli babantu eYerusalem; abanye abantu bawisa amaqashiso, ukuba kungeniswe abe mnye kwabalishumi, ahlale eYerusalem kuwo umzi ongcwele, nezinye izahlulo ezisithoba zihlale kweminye imizi.

2Abantu bawasikelela amadoda onke aqhutywa yintliziyo ukuba ahlale eYerusalem.

3Zizo ezi iintloko zelizwe lakwaYuda, ezahlala eYerusalem; ke emizini yakwaYuda, yaba ngulowo wahlala elifeni lakhe, emizini yabo, ingamaSirayeli, nababingeleli, nabaLevi, nabakhonzi betempile, noonyana babakhonzi bakaSolomon.

4EYerusalem kwahlala ezoonyana bakaYuda, nezoonyana bakaBhenjamin. Koonyana bakaYuda: yanguAtaya, unyana kaUziya, unyana kaZekariya, unyana ka-Amariya, unyana kaShefatiya, unyana kaMahalaleli koonyana bakaPeretse;

5noMahaseya, unyana kaBharuki, unyana kaKoli-hoze, unyana kaHazaya, unyana ka-Adaya, unyana kaYoyaribhi, unyana kaZekariya, unyana womSheloni.

6Bonke oonyana bakaPeretse, ababehlala eYerusalem, ibingamakhulu amané, anamanci mathandathu anesibhozo, amadoda anobukroti.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ngabo aba oonyana bakaBhenjamin: ibinguSalu, unyana kaMeshulam, unyana kaYohedi, unyana kaPedaya, unyana kaKolaya, unyana kaMahaseya, unyana kaItiyeli, unyana kaYesaya.

8Emva kwakhe ibinguGabhayi-salayi, enamakhulu asithoba, anamanci mabini anesibhozo;

9noYoweli unyana kaZikri, umphathi kubo, noYuda unyana kaSenwa, engowesibini kubaphathi bomzi.

10Kubabingeleli: ibinguYedaya unyana kaYoyaribhi, noYakin,

11noSeraya, unyana kaHilekiya, unyana kaMeshulam, unyana kaTsadoki, unyana kaMerayoti, unyana ka-Ahitubhi, ingànga yendlu kaThixo,

12nabazalwana babo ababesenza umsebenzi wendlu, bengamakhulu asibhozo, anamanci mabini anababini; noAdaya unyana kaYeroham, unyana kaPelaleya, unyana ka-Amtsi, unyana kaZekariya, unyana kaPashure, unyana kaMalekiya,

13nabazalwana bakhe, iintloko zezindlu zooyise, bengamakhulu amabini, anamanci mané anababini; noAmashesayi, unyana ka-Azareli, unyana ka-Azayi, unyana kaMeshilemoti, unyana kaImere;

14nabazalwana babo, amagorha anobukroti, belikhulu elinamanci mabini anesibhozo; umphathi kubo ibinguZabhediyeli unyana kaGedolim.

15KubaLevi: ibinguShemaya unyana kaHashubhi, unyana ka-Azarikam, unyana kaHashabhiya, unyana kaBhuni, noShabhetayi,

16noYozabhadi, ababephethe umsebenzi ongaphandle wendlu kaThixo, kwiintloko zabaLevi;

17noMataniya unyana kaMika, unyana kaZabhedi, unyana ka-Asafu, obengumhlabeli wezokudumisa emthandazweni, noBhakebhukiya, obengowesibini kubazalwana bakhe, noAbheda, unyana kaShamuwa, unyana kaGalali, unyana kaYedutun.

18Bebonke abaLevi emzini ongcwele babengamakhulu amabini, anamanci asibhozo anabané.

19Abamasango: ibinguAkubhi, noTalemon, nabazalwana babo abagcina amasango, belikhulu elinamanci asixhenxe anababini.

20Amanye amaSirayeli, nababingeleli, nabaLevi, babekweminye imizi yonke yakwaYuda, elowo eselifeni lakhe.

21Ke abakhonzi betempile babehlala eOfele; abakhonzi abo betempile babephethwe nguTsiha noGishpa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Umphathi wabaLevi eYerusalem ibingu-Uziunyana kaBhani, unyana kaHashabhiya, unyana kaMataniya, unyana kaMika koonyana baka-Asafu, iimvumi, malunga nomsebenzi wendlu kaThixo.

23Ngokuba umthetho wokumkani ubuphezu kwabo, nomnqophiso wenene ubuphezu keemvumi malunga nento yemini ngangemini yayo.

24UPetaya unyana kaMeshezabheli, koonyana bakaZera, unyana kaYuda, ubesisandla sokumkani ezintweni zonke zabantu.

25Emizini nasemaphandleni ayo kwahlala inxenye yoonyana bakaYuda eKiriyati ka-Arbha namagxamesi ayo, naseDibhon namagxamesi ayo, naseKabhetseli nemizi yayo,

26naseYeshuwa, naseMolada, naseBhete-palete,

27naseHatsore-shuwali, naseBher-shebha namagxamesi ayo,

28naseTsikelage, naseMekona namagxamesi ayo,

29nase-Enrimon, naseTsora, naseYarmuti,

30naseZanowa, naseAdulam namagxamesi ayo, naseLakishe, nasemaphandleni ayo, naseAzeka namagxamesi ayo. Bahlala ke, bathabathela eBher-shebha besa emfuleni wakwaHinom.

31Oonyana bakaBhenjamin bathabathela eGebha, besa eMikimas, naseAya, naseBheteli namagxamesi ayo,

32naseAnatoti, naseNobhi, naseAnaniya,

33naseHatsore, naseRama, naseGitayim,

34naseHadidi, naseTsebhoyim, naseNebhalati,

35naseLode, naseOno emfuleni weengcibi.

36NakubaLevi kwaphuma amaqela kwaYuda, eza kwaBhenjamin.

UNehemiya 12

Ababingeleli nabaLevi

1Ngabo aba ababingeleli nabaLevi, abenyuka noZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, noYeshuwa: ibinguSeraya, noYeremiya, noEzra,

2noAmariya, noMaluki, noHatushe,

3noShekaniya, noRehum, noMeremoti,

4noIdo, noGinetohi, noAbhiya,

5noMiyamin, noMahadiya, noBhilega,

6noShemaya, noYoyaribhi, noYedaya,

© 1975 Bible Society of South Africa.

7noSalu, noAmoki, noHilekiya, noYedaya. Abo ibiziintloko zababingeleli nabazalwana babo, emihleni kaYeshuwa.

8AbaLevi: ibinguYeshuwa, noBhinwi, noKademiyeli, noSherebhiya, noYuda, noMataniya obephethe imibulelo, yena nabazalwana bakhe;

9noBhakebhukiya, noUni; abazalwana babo babemalunga nabo besezigxineni.

10Ke uYeshuwa wazala uYoyakim; uYoyakim wazala uEliyashibhi; uEliyashibhi wazala uYoyada;

11uYoyada wazala uYonatan; uYonatan wazala uYaduwa.

12Ke emihleni kaYoyakim bekukho ababingeleli abaziintloko zezindlu zooyise: okaSeraya inguMeraya; okaYeremiya inguHananiya;

13okaEzra inguMeshulam; oka-Amariya inguYohanan;

14okaMeliku inguYonatan; okaShebhaniya inguYosefu;

15okaHarim inguAdena; okaMerayoti inguHelekayi;

16okaIdo inguZekariya; okaGineton inguMeshulam;

17oka-Abhiya inguZikri; okaMinyamin, okaMowadiya inguPiletayi;

18okaBhilega inguShamuwa; okaShemaya inguYonatan;

19okaYoyaribhi inguMatenayi; okaYedaya ingu-Uzi;

20okaSalayi inguKalayi; oka-Amoki inguEbhere;

21okaHilekiya inguHashabhiya; okaYedaya inguNataniyeli.

22Malunga nabaLevi, ngemihla kaEliyashibhi, noYoyada, noYohanan, noYaduwa, kwabhalwa iintloko zezindlu zooyise; nezababingeleli, ebukumkanini bukaDariyo umPersi.

23Oonyana bakaLevi, iintloko zezindlu zooyise, babebhalwa encwadini yemicimbi yemihla, kwada kweza nasemihleni kaYohanan unyana kaEliyashibhi.

24Ke iintloko zabaLevi: ibinguHashabhiya, noSherebhiya, noYeshuwa unyana kaKademiyeli, nabazalwana babo malungana nabo, ukuba badumise, babulele, ngokomthetho kaDavide umfo wakwaThixo, iqela lilunge neqela; inguMataniya, noBhakebhukiya, no-Obhadiya.

25OoMeshulam, noTalemon, noAkubhi babengabamasango, begcina isigxina koovimba bamasango.

26Abo babekho emihleni kaYoyakim unyana kaYeshuwa, unyana kaYotsadaki, nasemihleni kaNehemiya ibamba, noEzra umbingeleli, umbhali.

Ukusungulwa kodonga lweYerusalem

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Ke kaloku ekusungulweni kodonga lweYerusalem kwafunwa abaLevi ezindaweni zabo zonke, ukuba baziswe eYerusalem, ukuba ukusungulwa kwalo kwenziwe ngovuyo, nangemibulelo, nangeengoma, nangamacangci, nangemirhubhe, nangeehadi.

28Bahlanganisana oonyana beemvumi, bevela kuloo mmandla ujikeleze iYerusalem, nasemizini yamaNetofa;

29naseBhete yaseGiligali, nasemihlabeni yaseGebha, neAzemavete; ngokuba iimvumi zazizakhele imizi ejikeleze iYerusalem.

30Bazihlambulula ababingeleli nabaLevi, bahlambulula abantu, namasango, nodonga olo.

31Ndabanyusa abathetheli bakwaYuda phezu kodonga, ndamisa amaqela amakhulu amabini okubulela, enza imityino, elinye lasinga ekunene phezu kodonga esangweni lenkunkuma.

32Emva kwalo kwahamba uHoshaya nesiqingatha sabathetheli bakwaYuda,

33noAzariya, noEzra, noMeshulam,

34noYuda, noBhenjamin, noShemaya, noYeremiya.

35Koonyana bababingeleli benamaxilongo yayinguZekariya unyana kaYonatan, unyana kaShemaya, unyana kaMataniya, unyana kaMikaya, unyana kaZakure, unyana ka-Asafu;

36nabazalwana bakhe: ooShemaya, noAzareli, noMilalayi, noGilalayi, noMahayi, noNataniyeli, noYuda, noHanani, beneempahla zokuvuma zikaDavide umfo wakwaThixo; ke uEzra umbhali ebephambi kwabo.

37Basinga esangweni lomthombo, bathi ngqo, benyuka ngezinyuko zomzi kaDavide, ekunyukeni kodonga bayongamela indlu kaDavide, besa esangweni lamanzi ngasempumalanga.

38Iqela lesibini lokubulela elahamba malunga nelo, ndingasemva kwalo, ndinesinye isiqingatha sabantu, lahamba phezu kodonga, layongamela inqaba ende yamaziko, lesa eludongeni olubanzi;

39lasongamela isango lakwaEfrayim, nesango lodonga oludala, nesango leentlanzi, nenqaba ende kaHananeli, nenqaba ende kaHameha, lada leza esangweni lempahla emfutshane, bamisa esangweni lentolongo.

40Ema ke omabini amaqela okubulela endlwini kaThixo, mna ndinesiqingatha sabaphathi;

41nababingeleli, ooEliyakim, noMahaseya, noMinyamin, noMikaya, noEliyohenayi, noZekariya, noHananiya, benamaxilongo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

42noMahaseya, noShemaya, noEleyazare, noUzi, noYohanan, noMalekiya, noElam, noEzere. Iimvumi zavuma kakhulu, uYezeraya engumphathi wazo.

43Babingelela ngaloo mini imibingelelo emikhulu, bavuya; ngokuba uThixo ubebavuyisile ngovuyo olukhulu. Kananjalo abafazi nabantwana bavuya; kwavakala ukuvuya kweYerusalem namgama.

44Ngaloo mini kwamiswa amadoda okuphatha amagumbi okuba ngoovimba bemirhumo, neentlahlela, nezishumi, ukuba zifunjwe kuwo, ngokwemihlaba yemizi, izabelo ezimiselwe ababingeleli nabaLevi ngomyalelo; ngokuba amaYuda abevuya ngababingeleli nangabaLevi abemiyo.

45Basigcina isigxina sikaThixo wabo, nesigxina sentlambululo; zenjenjalo iimvumi nabamasango, ngokomthetho kaDavide, noSolomon unyana wakhe;

46ngokuba ngemihla kaDavide, kwakudala, uAsafu ubeyintloko yeemvumi, neyokudumisa uThixo, neyokubulela kuye.

47Onke amaSirayeli, ngemihla kaZerubhabheli nangemihla kaNehemiya, abe ezinika iimvumi nabamasango izabelo, into yemini ngangemini yayo, engcwalisela abaLevi, abaLevi bengcwalisela oonyana baka-Aron.

UNehemiya 13

Ukushenxiswa kwezinyeliso

1Ngaloo mini kwaleswa encwadini kaMoses ezindlebeni zabantu; kwafunyanwa kubhaliwe kuyo ukuthi, Ama-Amon namaMowabhi makangangeni ebandleni likaThixo naphakade;

2ngokuba engàbakhawulelanga oonyana bakaSirayeli enesonka namanzi; esuka abaqeshela uBhileham, ukuba abaqalekise; ke uThixo wethu wayiguqula ingqalekiso yaba yintsikelelo.

3Kwathi bakuva umyalelo lowo, bawahlula wonke umxube kumaSirayeli.

4Ke kaloku phambi koko, uEliyashibhi umbingeleli, obemiswe phezu kwamagumbi endlu kaThixo wethu, wazalamanisa noTobhiya,

5wamenzela igumbi elikhulu, apho bekufudula kubekwa khona umnikelo wokudla, nentlaka emhlophe, nempahla, nezishumi zengqolowa, nezewayini entsha, nezeoli, ezibe zimiselwe abaLevi neemvumi nabamasango; nemirhumo yababingeleli.

6Ekwenzekeni oko konke bendingekho eYerusalem; ngokuba, ngomnyaka wamashumi amathathu anesibini ka-Artashashta ukumkani waseBhabheli, ndaya kukumkani ekupheleni kwemihla, ndacela kukumkani ukuba ndibuye.

7Ndafika ke eYerusalem, ndabugqala ububi abebenzile uEliyashibhi ngenxa kaTobhiya, ngokumenzela kwakhe igumbi ezintendelezweni zendlu kaThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Kwaba kubi kum kakhulu; ndazilahlela phandle zonke iimpahla zendlu kaTobhiya ngaphandle kwegumbi.

9Ndatsho, bawahlambulula amagumbi; ndazibuyisela khona iimpahla zendlu kaThixo, umnikelo wokudla, nentlaka emhlophe.

10Ndazi ukuba izabelo zabaLevi abazinikwanga; ngokuba abaLevi neemvumi, ababesebenza umsebenzi, babebalekele elowo emhlabeni wakhe.

11Ndabambana nabaphathi, ndathi, Yini na ukuba indlu kaThixo ishiywe nje? Ndababutha, ndabamisa esikhundleni sabo.

12Aza onke amaYuda azisa izishumi zengqolowa, nezewayini entsha, nezeoli, koovimba.

13Ndamisa phezu koovimba uShelemiya umbingeleli, noTsadoki umbhali, noPedaya kubaLevi; naphantsi kwezandla zabo yanguHanan unyana kaZakure, unyana kaMataniya; ngokuba bekusithiwa banyanisekile; bamiselwa ukwabela abazalwana babo.

14Ndíkhumbule, Thixo wam, ngenxa yoko; musa ukuzicima iinceba zam, endizenzileyo endlwini kaThixo wam, nasezigxineni zayo.

15Ngaloo mihla ndabona kwaYuda abaxovula ezixovulelweni zewayini ngesabatha, nabathutha amasinde, abathwalisa amaesile; kwanewayini, neediliya, namakhiwane, nemithwalo yonke, beyizisa eYerusalem ngemini yesabatha; ndaqononondisa ngaloo mini bathengisa ngokudla ngayo.

16Kwakuhleli khona nabaseTire, bezisé iintlanzi neento zonke zentengiso; bethengisa ngesabatha koonyana bakaYuda eYerusalem.

17Ndabambana nabanumzana bakwaYuda, ndathi kubo, Yintoni na le nto imbi kangaka niyenzayo, niwuhlambelayo umhla wesabatha?

18Babengènjenalo na ooyihlo, waza uThixo wethu wasifikisela thina nalo mzi bonke obo bubi? Ke nina nongeza ukuvutha komsindo kuSirayeli, niyihlambela nje isabatha.

19Bekusithi, kwakuba lungcwalazi phakathi kwamasango aseYerusalem phambi kwesabatha, ndithi mazivalwe iingcango; ndithi mazingàvulwa ide igqithe isabatha. Ndamisa inxenye yamadodana akwam emasangweni, ukuze kungàngeniswa mthwalo ngemini yesabatha.

20Abarhwebi, nabathengisa ngeento zonke zentengiso, babelala ngaphandle kweYesusalem kanye nokuba kukabini.

21Ndaqononondisa kubo, ndathi kubo, Yini na ukuba nilale phambi kodonga? Ukuba nithe naphinda, ndonisa isandla. Kususela kwelo xesha àbabanga seza ngesabetha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Ndathi kubaLevi mabazihlambulule, beze bagcine amasango, ukuze kungcwaliswe umhla wesabatha. Ndíkhumbulele nangale nto, Thixo wam, ube nenceba kum ngokobuninzi benceba yakho.

23Kananjalo ngaloo mihla ndawabona amaYuda abezeké abafazi abangama-Ashdodekazi, nama-Amonikazi, namaMowabhikazi,

24oonyana babo inxenye bethetha ngesiAshdode, bengenakuqonda ukuthetha ngesiYuda, bethetha ngokwentetho yezizwe ngezizwe.

25Ndabambana nawo, ndawatshabhisa, ndabetha amadoda kuwo, ndawadlathula iinwele, ndawafungisa uThixo ngokuthi, Inene, iintombi zenu aniyi kuzendisela koonyana babo, neentombi zabo aniyi kuzizekela oonyana benu, aniyi kuzizeka nani ngokwenu.

26Wayengoné ngenxa yabo yini na uSolomon, ukumkani wamaSirayeli? Ezintlangeni ezininzi kwakungekho kumkani unjengaye: ubethandwa nguThixo wakhe, uThixo wamnika ukuba ngukumkani wamaSirayeli onke; naye lowo bamonisa abafazi bezinye iintlanga.

27Makuvakale ngáni na, ukuba nenzé bonke obu bubi bukhulu, bokwenza ubumenemene kuThixo wethu, ngokuzeka abafazi bezinye iintlanga?

28Ke kaloku koonyana bakaYoyada, unyana kaEliyashibhi, umbingeleli omkhulu, bekukho kubo ongumyeni kwaSanebhalati waseHoron; ndamgxotha ke kum.

29Bákhumbule, Thixo wam, ngenxa yokuhlambela kwabo ububingeleli, nomnqophiso wobubingeleli, nowobuLevi.

30Ndawahlambuluka ke ezintweni zonke zezinye iintlanga, ndazimisa izigxina zababingeleli nezabaLevi, zomntu ngomntu emsebenzini wakhe,

31nezomsondezo weenkuni ngamaxesha amisiweyo, nezeentlahlela. Ndíkhumbulele okulungileyo, Thixo wam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UEstere

UEstere 1

Ukungathobeli kukakumkanikazi nokwaliwa kwakhe

1Ke kaloku kwathi ngemihla ka-Ahaswerosi (lo Ahaswerosi ke ubengukumkani,
ethabathela eIndiya, wezisa kwaKushi: kumazwe alikhulu elinamanci mabini
anesixhenxe),

2ngaloo mihla, xa wayehleli ukumkani uAhaswerosi etroneni yobukumkani bakhe,
eseShushan komkhulu,

3ngomnyaka wesithathu wobukumkani bakhe, wabenzela isidlo bonke abathetheli
bakhe nabakhonzi bakhe; xa impi yamaPersi neyamaMedi, amawaba nabathetheli
bamazwe,

4bebephambi kwakhe; akubon' ukuba ubonisa abantu ubutyebi obuzukileyo
bobukumkani bakhe, nesihombo esinqabileyo sobukhulu bakhe imihla emininzi,
imihla elikhulu elinamanci asibhozo.

5Ekuzalisekeni kwaloo mihla, ukumkani wabenzela isidlo bonke abantu abafumaneka
eShushan komkhulu, kwathabathela kwabakhulu, kwesa kwabancinane, imihla
yasixhenxe, entendelezweni yomyezo wendlu yokumkani.

6Amalengalenga ayengawelinen emhlophe, necikizekileyo, nemsi, ebotshwe
ngeentsontelo zelinen ecikizekileyo nemfusa kumakhonkco esilivere, nakwiintsika
zemarmore emhlophe; izingqengqelo izezegolide nezesilivere, phezu kombekelelo
wamatye aluhlaza, namhlophe, naziiperile, namnyama.

7Kwaye kuselwa ngeempahla zegolide, ziziimpahla ngeempahla; ininzi iwayini
yakomkhulu ngokwamandla okumkani.

8Ukusela kwaye kungokomthetho kungekho unyanzelayo: kuba wenjenjalo ukumkani
ukumisela zonke izikhulu zendlu yakhe, ukuba enze elowo nalowo ngokuzithandela
kwakhe.

9Kananjalo uVashti ukumkanikazi wenzela abafazi isidlo endlwini yakomkhulu,
ebiyekakumkani uAhaswerosi.

10Ngomhla wesixhenxe, xa intliziyo yokumkani yayimnandi yiwayini, wabayalela
ooMehuman, noBhizeta, noHarbhona, noBhigeta, noAbhageta, noZetare, noKarkasi,
ababusi abasixhenxe abalungiselelayo ebusweni bokumkani, wathi,

11mabamzise uVashti ukumkanikazi phambi kokumkani enonkontsho
lobukumkanikazi, ukuba abonise abantu nabathetheli ubuhle bakhe; ngokuba
ebeyinzwakazi, imbonakalo yakhe.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

12Akavumanga ukumkanikazi uVashti ukuza ngelizwi lokumkani ngababusi abo. Waba
noburhalarhume obukhulu ukumkani, bavutha ubushushu bakhe kuye.

13Wathi ke ukumkani kwizilumko eziwaziyo amaxesha (ngokuba ibisenjiwa njalo into
yokumkani phambi kwabo bonke abawaziyo umthetho nesiko; ababekufuphi kuye,

14ooKarshena, noShetare, noAdemata, noTarshishe, noMeres, noMarsena,
noMemukan, abathetheli abasixhenxe bamaPersi namaMedi, ababebubona ubuso
bokumkani, ababehlala ezihlalweni zobukhulu ebukumkanini), wathi,

15Ngokomthetho angénziwa ntoni na ukumkanikazi uVashti, ngenxa yokuba
engalenzanga ilizwi lokumkani uAhaswerosi ngababusi?

16Wathi uMemukan phambi kokumkani nabathetheli, UVashti ukumkanikazi
akaphosise kukumkani yedwa; uphosise nakubathetheli bonke, nakwizizwe zonke
ezisemazweni onke okumkani uAhaswerosi.

17Kuba le ndawo yokumkanikazi iya kuphuma, ifikelele kubafazi bonke, adeleke
amadoda abo emehlweni abo, xa kuthiwa, Ukumkani uAhaswerosi wathi makeziswe
uVashti ukumkanikazi phambi kwakhe, akeza.

18Kananjalo amakhosikazi asePersi naseMedi ayivayo le nto yokumkanikazi, aya
kuyixela kwanamhlanje kubathetheli bonke bokumkani, kwande ke ukudela
noburhalarhume.

19Ukuba kuthe kwalunga kukumkani, makuphume ilizwi lokumkani ebusweni bakhe,
libhalwe emithethweni yamaPersi namaMedi, ukuze lingatshitshi, lokuba uVashti
angàbi seza phambi kokumkani uAhaswerosi, ukumkani abunikele ubukumkanikazi
bakhe kuwabo olungileyo kunaye.

20Wóthi ke wakuvakala umthetho wokumkani, aya kuwenza ebukumkanini bakhe
bonke (ngokuba bukhulu), bonke abafazi bawabeke amadoda abo, kuthabathele
kwenkulu, kuse kwencinane.

21Ilizwi elo lalunga emehlweni okumkani nabathetheli. Wenza ke ukumkani
ngokwelizwi likaMemukan.

22Wathumela iincwadi emazweni onke kakumkani, kwilizwe ngelizwe, njengokubhala
kwalo, kwizizwe ngezizwe ngokweentetho zazo, okokuba amadoda onke alawule
ezindlwini zawo, athethe ngentetho yakowawo.

UEstere 2

UEstere unyulwa abe ngukumkanikazi

1Emva kwezi zinto, bakudamba ubushushu bokumkani uAhaswerosi, wamkhumbula
uVashti, noko abekwenzile, noko bekugqitywe ngaye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Athi amadodana akwakumkani abelungiselela kuye, Ukumkani makafunelwe iintombi eziseziintombi, ezimbonakalo intle.

3Ukumkani makayalele abaphathi emazweni onke obukumkani bakhe, bahlanganise zonke iintombi eziseziintombi, ezimbonakalo intle, bazizìse eShushan komkhulu, endlwini yabafazi, phantsi kwesandla sikaHegayi, ithenwa lokumkani, umgcini wabafazi, zinikwe izinto zokuthambisa.

4Ize ithi intombi ethe yalunga emehlweni okumkani, ibe ngukumkanikazi esikhundleni sikaVashti. Lalunga elo lizwi emehlweni okumkani; wenjenjalo ke.

5Kwakukho ke eShushan komkhulu indoda engumYuda, egama linguMordekayi, unyana kaYahire, unyana kaShimehi, unyana kaKishe, indoda engumBhenjamin;

6eyayithinjiwe eYerusalem nabathinjwa, ababethinjwe noYekoniya ukumkani wakwaYuda, owathinjwa nguNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli.

7Yaye ingumondli kaHadasa (nguEstere ke lowo), intombi kayisekazi; ngokuba ebengenayise nanina. Intombi leyo yayimile kakuhle, intle nasebusweni. Emva kokufa kukayise nonina, uMordekayi wayithabatha yaba yintombi yakhe.

8Kwathi ekuvakaleni kwelizwi lokumkani nomthetho wakhe, ekuhlanganisweni kweentombi ezininzi eShushan komkhulu, phantsi kwesandla sikaHegayi, wasiwa noEstere endlwini yokumkani, phantsi kwesandla sikaHegayi, umgcini wabafazi.

9Yamkholisa intombi leyo, wayenzela ububele, wakhawuleza, wayinika izinto zayo zokuthambisa, nezabelo zayo, wayinika neentombi ezisixhenxe ezihleliweyo, ezivela endlwini yokumkani; wayibeka yona nomthinjana wayo kweyona ndawo intle kwindlu yabafazi.

10UEstere ubengàbaxelanga abantu bakowabo nemizalwane yakhe; kuba uMordekayi wayemwisele umthetho wokuba angabaxeli.

11UMordekayi wayemana ukuhamba imihla ngemihla yonke phambi kwentendelezo yendlu yabafazi, ukuba akwazi ukuphila kukaEstere, nokwenziwayo kuye.

12Ke kaloku ekufikeni kwexesha lentombi ngentombi lokuya kukumkani uAhaswerosi, ekupheleni kokwenziwa kwesiko labafazi iinyanga ezilishumi elinambini (kuba bekunjalo ukuzaliseka kwemihla yokuthanjiswa kwazo; iinyanga ezintandathu bekusenziwa ngeoli yemore, ezinye iinyanga ezintandathu ngobulawu nangeento zokuthambisa abafazi),

13ngelo xesha ke ibe isithi intombi ukuya kukumkani, kuthi konke ebikunqwenela ikunikwe, ihambe nako, iphuma endlwini yabafazi ukuya endlwini yokumkani.

14Ibisakuya ngokuhlwa, ngengomso ibuyele kweyesibini indlu yabafazi, ephantsi kogcino lukaShahashgazi, ithenwa lokumkani, umgcini wamashweshwe. Ibingabi saya kukumkani, engayinanzanga ukumkani, ayibize ngegama.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ekufikeni kwexesha likaEstere, intombi ka-Abhihayili, uyisekazi kaMordekayi, obeyithabathe ukuba ibe yintombi yakhe, lokuba aye kukumkani, akafunanga nto ingàxelwanga nguHegayi ithenwa lokumkani, umgcini wabafazi. UEstere wababalwa ngabo bonke abambonáyo.

16Wasiwa ke uEstere kukumkani uAhaswerosi, endlwini yakhe yobukumkani, ngenyanga yeshumi (leyo yinyanga enguTebhete), ngomnyaka wesixhenxe wobukumkani bakhe.

17Ukumkani wamthanda uEstere ngaphezu kwabafazi bonke; wambabala, wamenzela inceba ngaphezu kweentombi zonke; unkontsho lobukumkanikazi walubeka entlokweni yakhe, wamenza ukumkanikazi esikhundleni sikaVashti.

18Ukumkani wabenzela isidlo esikhulu abathetheli bakhe nabakhonzi bakhe, isidlo sikaEstere; wawaphumza amazwe, wapha izipho ngokwamandla okumkani.

19Ke kaloku ekuhlanganisweni kweentombi okwesibini, ubehleli uMordekayi esangweni lokumkani.

20UEstere ubengayixelanga imizalwane yakhe nabantu bakowabo, njengoko uMordekayi wayemmisele; ngokuba ilizwi likaMordekayi ubelenza uEstere, njengokuba wayesondliwa nguye.

Ukwaziwa nguMordekayi kweyelenqe elenzelwe ukumkani

21Ngaloo mihla kwathi, uMordekayi ehleli esangweni lokumkani, baba noburhalarhume uBhigetan noTereshe, amathenwa amabini okumkani, abagcini bomnyango, bafuna ukumsa izandla ukumkani uAhaswerosi.

22Yaziwa loo nto nguMordekayi, waxelela uEstere ukumkanikazi; uEstere waxelela ukumkani egameni likaMordekayi.

23Yancinwa loo nto, yafunyanwa; baxhonywa bobabini emthini. Yabhalwa loo nto encwadini yemicimbi yemihla phambi kokumkani.

UEstere 3

UHaman ucenga ukumkani ukuba ayalele ubulawo lwamaYuda

1Emveni kwezo zinto, ukumkani uAhaswerosi wamenza mkhulu uHaman unyana kaHamedata, umAgagi; wamphakamisa, wasimisa isihlalo sakhe ngaphezu kwabathetheli bonke ababenaye.

2Bonke abakhonzi bokumkani, ababesesangweni lokumkani, babeguqa, baqubude kuHaman; kuba wenjenjalo ukumkani ukuwisa umthetho ngaye; ke yena uMordekayi àkagaqa, àkaqubuda kuye.

3Abakhonzi bokumkani, ababesesangweni lokumkani, bathi kuMordekayi, Yini na ukuba uwugqithe umthetho wokumkani?

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Kwathi ke, bakumana ukutsho kuye imihla ngemihla, engaphulaphuli kubo,
bamxelela uHaman, ukukhangela ukuba aya kuma na amazwi kaMordekayi. Kuba
ubebaxelele ukuba yena ungumYuda.

5Wabona uHaman ukuba uMordekayi akaguqi, akaqubudi kuye; wasuka uHaman
wazala ngumsindo.

6Wakucekisa ukuba amse izandla uMordekayi yedwa; kuba ubebaxelelwe abantu
bakuloMordekayi; wangxamela ke uHaman ukuwatshabalalisa onke amaYuda
abesebukumkanini bonke buka-Ahaswerosi, abantu bakuloMordekayi.

7Ngenyanga yokuqala (yinyanga enguNisan ke leyo), ngomnyaka weshumi elinesibini
wokumkani uAhaswerosi, kwawiswa iPuri (liqashiso ke elo) phambi koHaman, imini
ngemini, inyanga ngenyanga, yada yaba yeyeshumi elinesibini; yinyanga enguAdare
ke leyo.

8Wathi uHaman kukumkani uAhaswerosi, Kukho abantu abathile abathe saa,
abangené phakathi kwezizwe emazweni onke obukumkani bakho; nemithetho yabo
yahlukile kweyabantu bonke, abayenzi imithetho yokumkani; akufanelekile
kukumkani ukubayeka.

9Ukuba kuthe kwalunga kukumkani, makubhalwe batshatyalaliswe. Ndolinganisela
ezandleni zabawenzayo loo msebenzi wokumkani amawaka alishumi eetalente
zesilivere, ukuba ziziswe ebutyebini bokumkani.

10Ukumkani wawukhulula umsesane wakhe esandleni sakhe, wawunika uHaman
unyana kaHamedata, umAgagi, umbandezeli wamaYuda.

11Wathi ukumkani kuHaman, Ùyinikiwe isilivere leyo, nabantu abo; makwenziwe
kubo ngoko kulungileyo emehlweni akho.

12Kwabizwa ke ababhali bokumkani ngenyanga yokuqala, ngomhla weshumi
elinesithathu kuyo. Kwabhalwa ngokomthetho wonke kaHaman, kwiirhuluneli
zokumkani, nakumabamba abephethe amazwe ngamazwe, nakubathetheli babantu
ngabantu, kumazwe ngamazwe ngokokubhala kwawo, kubantu ngabantu
ngokweentetho zabo. Kwabhalwa egameni lokumkani uAhaswerosi, kwatywinwa
ngomsesane wokumkani.

13Zathunyelwa iincwadi ngezigidimi kumazwe onke okumkani, ukuba
kutshatyalaliswe, kubulawe, kusingelwe phantsi onke amaYuda, kuthabathele
kumfana, kuse kwindoda enkulu, iintsana nabafazi, ngamini-nye, ngomhla weshumi
elinesithathu wenyanga yeshumi elinesibini (yinyanga enguAdare ke leyo);
kuphángwe amaxhoba awo.

14Intetho yencwadi leyo, yokuze awiselwe umthetho onke amazwe ngamazwe, yaya
yathunyelwa kwizizwe zonke, ukuba zihlale ziwulungiselelwe loo mhla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Izigidimi zaphuma zingxamile ngelizwi lokumkani; umthetho lowo wawiswa eShushan komkhulu. Ke ukumkani noHaman bahlala phantsi, basela; wona umzi waseShushan wadideka.

UEstere 4

UMordekayi ubhenela kuEstere ukuba abongoze ukumkani

1Ke kaloku uMordekayi wakwazi konke oko kwenziweyo. Wazikrazula uMordekayi iingubo zakhe, wambatha ezirhwexayo nothuthu, waphuma waya phakathi komzi, wakhala ngesikhalo esikhulu, esikrakra.

2Wafika phambi kwesango lokumkani; kuba bekungangeni mntu esangweni lokumkani ambethe ezirhwexayo.

3Kuwo onke amazwe ngamazwe, kwindawo elithe lafika kuyo ilizwi lokumkani nomthetho wakhe, yaba sisijwili esikhulu kumaYuda, nokuzila ukudla, nokulila, nokumbambazela. Abaninzi bandlala iingubo ezirhwexayo nothuthu.

4Zeza ke iimpelesi zikaEstere namathenwa akwakhe, amxelela. Wamana ezibhijabhija ukumkanikazi, ebuhlungu, wathumela iingubo zokumambesa uMordekayi, zisuswe kuye ezirhwexayo; àkazamkela.

5UEstere wabiza uHataki wakumathenwa okumkani, obemiswe ukuba amlungisele, wamwisela umthetho kuMordekayi, ukuba azi ukuba kutheni na, kungani na.

6Waphuma uHataki, waya kuMordekayi endaweni yembutho yomzi, ebiphambi kwesango lokumkani.

7UMordekayi wamxelela konke okumhleleyo, wamcacisela inani lemali, abethe uHaman, uya kulilinganisela ebutyebini bokumkani ngenxa yamaYuda, ukuba atshatyalaliswe.

8Wamnika nencwadi leyo yomthetho obuwiswe eShushan wokuwatshabalalisa, ukuze ayibonise uEstere, amxelele, amwisele umthetho wokuba aye kukumkani, atarhuzise kuye, athandazele abantu bakowabo ebusweni bakhe.

9Weza uHataki, wamxelela uEstere amazwi kaMordekayi.

10Wathetha uEstere kuHataki, wamwisela umthetho kuMordekayi, esithi,

11Bonke abakhonzi bokumkani, nabantu bamazwe okumkani, bayazi ukuba umntu, noyindoda noyinkazana, othe waya kukumkani entendelezweni engaphakathi, engabizwanga, mnye umthetho wakhe, ngowokuba abulawe; ngulowo yedwa, athe ukumkani wamolulela intonga yakhe yegolide, owothi aphile; ke mna andibizwanga ukuba ndiye kukumkani le mihla imashumi mathathu.

12Bamxelela ke uMordekayi amazwi kaEstere.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wathi uMordekayi ukumphendula uEstere, Musa ukuthi emphefumlweni wakho,
ùya kusinda wena endlwini yokumkani ngaphezu kwamaYuda onke.

14Ngokuba xa uthe wahlala wathi tu ngeli xesha, ukuphefumla nokuhlangulwa
kowavelela amaYuda kwenye indawo; ke wena nendlu yoyihlo nitshatyalaliswe.
Ngubani na owaziyo, hi kanti ungené ebukumkanini ngenxa yexesha elinje?

15Wathi uEstere ukumphendula uMordekayi,

16Yiya uwahlanganise onke amaYuda anokufumaneka eShushan, niz ile ukudla
ngenxa yam. Musani ukudla, musani ukusela, imihla ibe mithathu, ubusuku nemini.
Mna kananjalo neempelesi zam siya kwenjenjalo ukuzila ukudla; ndenjènjalo ukuya
kukumkani ngokungesesikweni, nditshabalale ukuba ndiyatshabalala.

17UMordekayi wegqitha, wenza ngako konke uEstere abemwisele umthetho ngako.

UEstere 5

Isibongozo sikaEstere ebhekisa kukumkani

1Kwathi ngomhla wesithathu, uEstere wambatha ezobukumkanikazi, wema
entendelezweni engaphakathi yendlu yokumkani, malungana nendlu yokumkani.
Waye ukumkani ehleli etroneni yobukumkani bakhe endlwini yobukumkani, malunga
nomnyango wendlu.

2Kwathi, ukumkani akumbona uEstere ukumkanikazi emi entendelezweni,
wambabala; ukumkani wayolulela kuEstere intonga yegolide ebisesandleni sakhe.
Wasondela ke uEstere, waphatha encamini yentonga leyo.

3Wathi ukumkani kuye, Ùnandawoni na, kumkanikazi Estere? ùfuna ntoni na?
woyinikwa kude kube sesiqingatheni sobukumkani.

4Wathi uEstere, Ukuba kuthe kwalunga kukumkani, makeze ukumkani noHaman
namhla esidlweni endimenzele sona.

5Wathi ukumkani, Mngxamiseni uHaman, ukuba enze ngokwelizwi likaEstere. Weza
ukumkani noHaman esidlweni abesenzile uEstere.

6Wathi ukumkani kuEstere esidlweni sewayini, Ùcela ntoni na? woyinikwa; ùfuna
ntoni na? woyenzelwa kude kube sesiqingatheni sobukumkani.

7Waphendula uEstere, wathi, Kúko oku ukucela kwam nokuthandaza kwam:

8ukuba ndithe ndababalwa ngukumkani, ukuba kuthe kwalunga kukumkani
ukundinika endikucelayo, nokundenzela ukuthandaza kwam, makeze ukumkani
noHaman esidlweni, endiya kubenzela sona, ndenze ngomso ngokwelizwi lokumkani.

9Waphuma uHaman ngaloo mini evuya, enentliziyo echwayithileyo. Ke uthe
uHaman, akumbona uMordekayi esangweni lokumkani, engavuki, engashukumi
phambi kwakhe, uHaman wazala ngumsindo ngoMordekayi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ke uHaman wazibamba, waya endlwini yakhe; wathumela wabiza izithandane zakhe, noZereshe umkakhe.

11UHaman wababalisela ubuqaqawuli bobutyebi bakhe, nobuninzi boonyana bakhe, nako konke ukwenziwa mkhulu kwakhe ngukumkani, nokuphakanyiswa kwakhe phezu kwabathetheli babakhonzi bokumkani.

12Wathi uHaman, Ngaphezu koko, uEstere ukumkanikazi akangenisanga bani nokumkani esidlweni abesenzile, yaba ndim ndedwa; kananjalo ngomso undimemele kuye nokumkani.

13Ukanti konke oko àkundanelisi, wonke ugama endimbonayo uMordekayi umYuda esahleli esangweni lokumkani.

14Wathi uZereshe umkakhe nezithandane zakhe zonke kuye, Mabenze umthi ube ziikubhite ezimashumi mahlanu ubude bawo, uthethe kusasa kukumkani, bamxhome uMordekayi kuwo; uye ke nokumkani esidlweni uvuya. Lalunga elo lizwi kuHaman; wawenza umthi lowo.

UEstere 6

UHaman unyanzelelwa ukwenzela uMordekayi isihanqa sembeko

1Ngobo busuku, bemka àbababakho ubuthongo kukumkani; wathi maziziswe iincwadi zezikhumbuzo zemicimbi yemihla; zamana zileswa phambi kokumkani.

2Kwafunyanwa kubhaliwe okokuba uMordekayi wabaxela ooBhigetan noTereshe, amathenwa amabini okumkani, abagcini bomnyango, ababefuna ukumsa izandla ukumkani uAhaswerosi.

3Wathi ukumkani, Wenzelwe mbekoni na, nabukhulu buni na uMordekayi ngenxa yoko? Athi amadodana akwakumkani, abelungiselela kuye, Akenzelwanga nto.

4Wathi ukumkani, Ngubani na osentendelezweni? Ke kaloku uHaman ubengene entendelezweni engaphandle yendlu yokumkani, esiza kuthi kukumkani, makaxhonywe uMordekayi emthini, abemlungisele wona.

5Athi amadodana akwakumkani kuye, Nankuya uHaman emi entendelezweni. Wathi ukumkani, Makangene.

6Wangena ke uHaman. Wathi ukumkani kuye, Makwenziwe ntoni na kwindoda, athanda ukuyibeka embekweni ukumkani? Wathi uHaman entliziyweni yakhe, Ukumkani angathanda ukubeka bani na embekweni agqithe mna?

7Wathi uHaman kukumkani, Indoda athandayo ukuyibeka embekweni ukumkani,

8mabazise isambatho sobukumkani, ambatha sona ukumkani, nehashe akhwela kulo ukumkani, lubekwe entlokweni yayo unkontsho lobukumkani;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9basinikele isambatho eso nehashe elo esandleni somthetheli wakumawaba okumkani, bayambathise indoda leyo athanda ukuyibeka embekweni ukumkani, bayikhwelise ehasheni elo, icande ezitratweni zomzi, badanduluke phambi kwayo, bathi, Kwenjiwa nje, kwindoda athanda ukuyibeka embekweni ukumkani.

10Wathi ukumkani kuHaman, Ngxama uthabathe isambatho eso nehashe elo, njengoko ukuthethileyo, wenjenjalo kuMordekayi umYuda, ohleli esangweni lokumkani. Makungawi phantsi nalinye ilizwi kuko konke okuthethileyo.

11UHaman wasithabatha isambatho eso nehashe elo, wamambathisa uMordekayi, wamkhwelisa, wamcandisa ezitratweni zomzi, wadanduluka phambi kwakhe ngokuthi, Kwenjiwa nje kwindoda athanda ukuyibeka embekweni ukumkani.

12Wabuya uMordekayi, weza esangweni lokumkani; ke uHaman wangxama waya endlwini yakhe, ethe matshamatsha, egqubuthele intloko.

13UHaman wamcacisela uZereshe umkakhe, nezithandane zakhe zonke, konke okumhleleyo. Zathi kuye izilumko zakhe noZereshe umkakhe, Ukuba ngowembewu yamaYuda uMordekayi lo, ùqalileyo ukuwa phambi kwakhe, akunakumthini; ke wòwa uwile phambi kwakhe.

14Bathe besathetha naye, kwafika amathenwa okumkani, bangxamisa ukumsa uHaman esidlweni abesenzile uEstere.

UEstere 7

UHaman uxhonywa ngokumangalelwa nguEstere

1Ukumkani noHaman beza kusela noEstere ukumkanikazi.

2Wathi ukumkani kuEstere nangomhla wesibini, besesidlweni sewayini, Ùcela ntoni na, Estere, kumkanikazi? woyinikwa; ùfuna ntoni na? woyenzelwa kude kube sesiqingatheni sobukumkani.

3Waphendula uEstere ukumkanikazi, wathi, Ukuba ndithe ndababalwa nguwe, kumkani, ukuba kuthe kwalunga kukumkani, mandinikwe ubomi bam ngokucela kwam, nabantu bakowethu ngokuthandaza kwam.

4Kuba kuthengisiwe ngathi, mna nabantu bakowethu, ukuze sitshatyalaliswe, sibulawe, sisingelwe phantsi. Ukuba bekuthengiswe ngathi ukuba sibe ngamakhoboka namakhobokazana, ndinge ndithe cwaka; ngokuba umbandezeli lowo ubengeyibuyiseli inkxwaleko yokumkani.

5Waza ukumkani uAhaswerosi wathi kuEstere ukumkanikazi, Ngubani na lowo? úphi na yena lowo, uzalise intliziyo yakhe ukwenjenjalo?

6Wathi uEstere, Indoda engumbandezeli, elutshaba, ngulo Haman ungendawo. Wadandatheka ke uHaman ebusweni bokumkani nokumkanikazi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Wesuka ke ukumkani enomsindo esidlweni sewayini, waya emyezweni wendlu. Ke uHaman wema, ebuthandazela ubomi bakhe kuEstere ukumkanikazi; kuba ebebona ukuba ukumkani ugqibe kwelobubi kuye.

8Ukumkani wabuya emyezweni wendlu, wangena endlwini yesidlo sewayini, uHaman ewé phezu kwesingqengqelo abekuso uEstere. Wathi ukumkani, Angáde ukumkanikazi agonyamelwe enam, endlwini apha na? Liyathi ukuphuma elo lizwi emlonyeni wokumkani, baya bagqubuthela ubuso bukaHaman.

9Wathi uHarbhona, elinye lakumathenwa abemi phambi kokumkani, Nanguya umthi, uHaman abewenzele uMordekayi, owathetha okulungileyo ngokumkani, umi endlwini kaHaman; ubude bawo buziikubhite ezimashumi mahlanu. Wathi ukumkani, Mxhomeni kuwo.

10Bamxhoma ke uHaman emthini lowo, abewulungisele uMordekayi. Wadamba ke umsindo wokumkani.

UEstere 8

Ukumkani uwisa umthetho wokuba amaYuda azikhusele

1Ngaloo mini, ukumkani uAhaswerosi wamnika uEstere ukumkanikazi indlu kaHaman, umbandezeli wamaYuda. UMordekayi weza phambi kokumkani; kuba uEstere ubeyixelile into abeyiyo kuye.

2Ukumkani wakhulula umsesane wakhe, abewuthabathe kuHaman, wanika uMordekayi. UEstere wammisa uMordekayi phezu kwendlu kaHaman.

3Waphinda uEstere, wathetha phambi kokumkani, ewé phambi kweenyawo zakhe, elila etarhuzisa kuye, ukuba abutshitshise ububi bukaHaman umAgagi, nengcinga yakhe abeyicingile ngamaYuda.

4Waza ukumkani wayolulela kuEstere intonga yegolide; wavuka uEstere, wema phambi kokumkani.

5Wathi, Ukuba kuthe kwalunga kukumkani, ukuba ndithe ndababalwa nguye, yafaneleka le nto phambi kokumkani, nam ndalunga emehlweni akhe: makubhalwe zibuye iincwadi zengcinga kaHaman unyana kaHamedata, umAgagi, awazibhalela ukuwatshabalalisa amaYuda asemazweni onke kakumkani.

6Kuba ndingáthini na ukuba nako ukububonela ububi obuyà kubazela abantu bakowethu? Ndingathini na ukuba nako ukukubona ukutshatyalaliswa kwemizalwane yam?

7Wathi ukumkani uAhaswerosi kuEstere ukumkanikazi, nakuMordekayi umYuda, Yabonani, indlu kaHaman ndiyinike uEstere; yena ngokwakhe bamxhoma emthini, ngenxa yokuba wasa isandla sakhe kumaYuda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ngoko ke, nina bhalani ngamaYuda ngoko kulungileyo emehlweni enu egameni lokumkani, nitywine ngomsesane wokumkani; kuba incwadi ebhalwe egameni lokumkani, yatywinwa ngomsesane wokumkani, akukho unokuyibuyisa.

9Babizwa ke ababhali bokumkani ngelo xesha ngenyanga yesithathu (yinyanga enguSivan ke leyo), ngomhla wamashumi amabini anesithathu kuyo; kwabhalwa ngako konke awawisa umthetho ngako uMordekayi, kumaYuda, nakwiirhuluneli, nakumabamba, nakubathetheli bamazwe, athabathela eIndiya eza kwaKushi, amazwe alikhulu elinamanci mabini anesixhenxe, kwilizwe ngelizwe njengokubhala kwalo, kubantu ngabantu ngokwentetho yabo, nakumaYuda ngokokubhala kwawo nangokwentetho yawo.

10Kwabhalwa egameni lokumkani uAhaswerosi, kwatywinwa ngomsesane wokumkani; kwathunywa iincwadi ngezigidimi ezisemahasheni, ezikhwele kwiimbaleki zakomkhulu, kumankonyana esihashe sakomkhulu.

11Kwabhalwa kwathiwa, ukumkani uwavumele amaYuda, akwimizi ngemizi yonke, ukuba abizelane ndawonye, akhusele ubomi bawo, atshabalalise, abulale, asingele phantsi yonke impi yabantu neyelizwe eliwabandezelayo, abantwana nabafazi, aphange amaxhoba abo,

12ngamini-nye, emazweni onke kakumkani uAhaswerosi, ngomhla weshumi elinesithathu wenyanga yeshumi elinesibini (yinyanga enguAdare ke leyo).

13Incwadi leyo, ukuze awiselwe umthetho onke amazwe ngamazwe, yathunyelwa kwizizwe zonke, ukuze amaYuda ahlale selezilungiselele loo mhla, ukuziphindezelela ezintshabeni zawo.

14Izigidimi zakhwela kwiimbaleki zakomkhulu, nakwisihashe sakomkhulu, zaphuma zingxanyisiwe lilizwi lokumkani. Umthetho lowo wawiswa eShushan komkhulu.

15Ke kaloku uMordekayi waphuma ebusweni bokumkani, enesambatho sobukumkani selinen emsi emhlophe, nesithsaba esikhulu segolide, nengubo yokwaleka yelinen ecikizekileyo emfusa. Umzi waseShushan wagcoba wavuya.

16KumaYuda kwabakho ukukhanya, nokuvuya, nemihlali, nembeko.

17Nakumazwe ngamazwe onke, nakwimizi ngemizi yonke, elathi lafika kuyo ilizwi lokumkani nomthetho wakhe, yaba yimivuyo nemihlali kumaYuda, isidlo nomhla wokuchwayitha. Abaninzi ezizweni zelizwe baba ngamaYuda; ngokuba bafikelwa kukunkwantya ngamaYuda.

UEstere 9

AmaYuda ayazibulala iintshaba zawo

1Ke kaloku ngenyanga yeshumi elinesibini (yinyanga enguAdare ke leyo), ngomhla weshumi elinesithathu kuyo, ekwakuthe kwafika ukwenziwa kwelizwi lokumkani

© 1975 Bible Society of South Africa.

nomthetho wakhe, ngomhla ebezilindele iintshaba zamaYuda ukuwaphatha ngegunya, kwaguqulwa oko, amaYuda aba ngawo aziphatha iintshaba zawo ngegunya.

2Abizelana ndawonye amaYuda emizini yawo, emazweni onke kakumkani u Ahaswerosi, ukuba abasé isandla abo babefuna ukuwenza okubi; akwema mntu ebusweni bawo, ngokuba izizwe zonke zafikelwa kukunkwantya.

3Bonke abathetheli bamazwe, neerhuluneli, namabamba, nabasebenzi bokumkani, bawanceda amaYuda; ngokuba babengenelwe kukoyika uMordekayi.

4Kuba uMordekayi ebemkhulu endlwini yokumkani, udaba lwakhe lwaya emazweni onke; kuba indoda leyo inguMordekayi yaya iba nkulu ngokuba nkulu.

5Azoyisa ke amaYuda ezo ntshaba zawo zonke ngekrele, nangokubulala, nangokutshabalalisa, enza ngokuzithandela kwâbo babewathiyile.

6EShushan komkhulu amaYuda abulala, atshabalalisa, amakhulu amahlanu amadoda.

7UParshandata, noDalefon, noAspata,

8noPorata, noAdaliya, noAridata,

9noParmashta, noArisayi, noAridayi, noVayezata,

10oonyana abalishumi bakaHaman unyana kaHamedata, umbandezeli wamaYuda, ababulala; ke amaxhoba akawachukumisanga.

11Ngaloo mini inani lababulawelwa eShushan komkhulu laziswa phambi kokumkani.

12Wathi ukumkani kuEstere ukumkanikazi, EShushan komkhulu amaYuda abulele atshabalalisa amakhulu amahlanu amadoda, noonyana abalishumi bakaHaman; kwamanye amazwe okumkani kobeka phi na? Ùcela ntoni na? woyinikwa; ùsafuna ntoni na? woyenzelwa.

13Wathi uEstere, Ukuba kuthe kwalunga kukumkani, makanikwe amaYuda aseShushan nangomso ukwenza ngokomthetho wale mini; noonyana abalishumi bakaHaman mabaxhonywe emthini.

14Wathi ukumkani, Makwenjiwe njalo. Kwawiswa ke umthetho eShushan, kwaxhonywa oonyana abalishumi bakaHaman.

15Abizelana ndawonye amaYuda aseShushan nangomhla weshumi elinesiné wenyanga enguAdare, abulala eShushan amakhulu amathathu amadoda; amaxhoba akawachukumisanga.

16Ke namanye amaYuda abesemazweni okumkani abizelana ndawonye, akhusela ubomi bawo, aphumla ezintshabeni zawo, abulala kwabo babewathiyile amashumi asixhenxe anesihlanu amawaka; amaxhoba akawachukumisanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kwenzeka oku ngomhla weshumi elinesithathu wenyanga enguAdare; aphumla
ngomhla weshumi elinesiné kuyo, awenza umhla wesidlo nowokuvuya.

18Ke amaYuda aseShushan abizelana ndawonye ngomhla weshumi elinesithathu
kuyo, nangomhla weshumi elinesiné kuyo, aphumla ngomhla weshumi elinesihlanu
kuyo, awenza umhla wesidlo nowokuvuya.

19Ngenxa yoko amaYuda asemaphandleni, abehlala emizini esemaphandleni, awenza
umhla weshumi elinesiné wenyanga enguAdare, ukuba ube ngowovuyo nowesidlo,
umhla wokuchwayitha nowokuthumelana izabelo.

Isimiselo sesidlo semihla yePuri

20UMordekayi wazibhala ezo nto, wathumela iincwadi kumaYuda onke,
abesemazweni onke kakumkani uAhaswerosi, akufuphi kwanakude;

21ewamisela ukuba awugcine umhla weshumi elinesiné wenyanga enguAdare,
nomhla weshumi elinesihlanu kuyo, iminyaka ngeminyaka yonke,

22njengokuba iyimihla awaphumla ngayo amaYuda ezintshabeni zawo; iyinyanga
esaguqulwa ngawo isingqala saba luvuyo, isijwili saba ngumhla wokuchwayitha;
ayènze yona ibe yimihla yesidlo, nomvuyo, neyokuthumelana izabelo, neyokupha
amahlwempu izipho.

23Aza amaYuda azimisela ukwenza njengoko abeqalile, nanjengoko uMordekayi
ebewabhalele;

24ngokuba uHaman unyana kaHamedata, umAgagi, umbandezeli wamaYuda onke,
wayewacingele ukuwatshabalalisa amaYuda, wawisa iPuri (iqashiso ke elo), ukuba
awadubadube, awatshabalalise.

25Ekufikeni kwaloo nto phambi kokumkani, wathi ngencwadi mayibuyiselwe
entlokweni yakhe ingcinga yakhe embi, abeyicingele amaYuda, bamxhome yena
noonyana bakhe emthini.

26Ngenxa yoko bathi loo mihla yiPuri, beyibiza ngegama leqashiso. Ngenxa yoko,
ngenxa yamazwi onke aloo ncwadi, nangenxa yawakubonáyo kuloo nto,

27nangenxa yawahlelwa kukho, amaYuda akumisa, akuthabathela kuwo,
nakwimbewu yawo, nakubo bonke abathelela kuwo, ngokuze kungatshitshi, ukuthi
ayimise loo mihla yomibini ngokwesibhalo esibhalwe ngayo, nangokumiswa
kwexesha layo, iminyaka ngeminyaka yonke;

28ikhunjulwe loo mihla, yenziwe kwizizukulwana ngezizukulwana zonke,
kwimizalwane ngemizalwane, kumazwe ngamazwe, kwimizi ngemizi; ingàtshitshi loo
mihla yePuri phakathi kwamaYuda, ukukhunjulwa kwayo kungapheli embewini yawo.

29Babhala ke ooEstere ukumkanikazi, intombi ka-Abhihayili, noMordekayi umYuda,
bamisa ngokuqinileyo konke, le ncwadi yesibini yePuri.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Wathumela iincwadi kumaYuda onke, emazweni alikhulu elinamanci mabini anesixhenxe obukumkani buka-Ahaswerosi, amazwi oxolo nenyaniso,

31okumisa loo mihla yePuri ngamaxesha ayo amisiweyo, ngoko bamisa ngako ooMordekayi umYuda noEstere ukumkanikazi, nangoko amaYuda azimisela ngako okwawo, nembewu yawo, amazwi okuzila ukudla nokukhala kwawo.

32Ilizwi likaEstere lazimisa izinto zaloo Puri, labhalwa encwadini.

UEstere 10

Ubukhulu bukaMordekayi

1Ukumkani uAhaswerosi walirhafisa ilizwe neziqithi zolwandle.

2Konke ukwenza kokuqina kwakhe, nobugorha bakhe, nengxelo yobukhulu bukaMordekayi, awenziwa mkhulu ngabo ngukumkani, azibhalwanga na ezo zinto encwadini yemicimbi yemihla yookumkani bamaMedi namaPersi?

3Kuba uMordekayi umYuda ebenganeno kokumkani uAhaswerosi, emkhulu kumaYuda, ekholekile kuninzi lwabazalwana bakhe, ebafunela abantu bakowabo okulungileyo, ethetha uxolo kwimbewu yonke yakowabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYobhi

UYobhi 1

Ukonwaba kukaYobhi

1Kwabe kukho indoda ezweni lakwaUtse, egama libe linguYobhi. Yaye loo ndoda igqibelele, ithe tye, imoyika uThixo, ityeka ebubini.

2Yazalelwa oonyana abasixhenxe neentombi ezintathu.

3Imfuyo yayo yayingamawaka asixhenxe empahla emfutshane, namawaka amathathu eenkamela, namakhulu amahlanu ezibini zeenkomo, namakhulu amahlanu eemazi zamaesile, nabakhonzi abaninzi kunene; yaba nkulu ke loo ndoda kubo bonke oonyana belasempumalanga.

4Oonyana bakhe babeqhele ukuya kwenza isidlo endlwini yalowo ibiyimini yakhe; bathumele bameme oodade babo bobathathu, ukuba badle basele nabo.

5Kwathi, yakuba izungulezile imihla yesidlo, wathumela uYobhi, wabangcwalisa, wavuka kusasa, wanyusa amadini anyukayo ngokwenani labo bonke bephela; kuba uYobhi ebesithi, Mhlawumbi oonyana bam bangaba bonile, bamlahla uThixo entliziyweni yabo. Ubesenjenjalo ke uYobhi loo mihla yonke.

6Kwathi ngamhla uthile, oonyana bakaThixo beza kuzimisa phambi koYehova, weza noSathana phakathi kwabo.

7Wathi uYehova kuSathana, Uvela phi na? USathana wamphendula uYehova, wathi, Ekutyhutyha-tyhutyheni ehlabathini, nasekuhamba-hambeni kulo.

8Wathi uYehova kuSathana, Ùmgqalile na kodwa umkhonzi wam uYobhi: ukuba akukho unjengaye ehlabathini, indoda egqibeleleyo, ethe tye, emoyikayo uThixo, etyekayo ebubini?

9USathana wamphendula uYehova, wathi, UYobhi lo úfumana emoyikela ilizé na uThixo?

10Akuthanga na wena wambiyela wamjikeleza, wayijikeleza indlu yakhe; wayijikeleza into yonke anayo ngeenxa zonke; wawusikelela umsebenzi wezandla zakhe, imfuyo yakhe yaligqiba ilizwe?

11Kodwa ke khawuse isandla sakho ngoku, uchukumise into yonke anayo, ukuba akayi kukulahla na nawe lo, akwenze oko ebusweni bakho.

12Wathi uYehova kuSathana, Yabona, konke anako kusesandleni sakho; ke kuye ngokwakhe musa ukusa sandla sakho. Waphuma ke uSathana, wemka ebusweni bukaYehova.

Amashwa kaYobhi

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

13Kwathi ngamhla uthile, oonyana bakhe neentombi zakhe babesidla, besela iwayini,
endlwini yomkhuluwa wabo omkhulu.

14Kweza umthunywa kuYobhi, wathi, Iinkomo bezilima, namaesile ebesidla ecaleni
lazo;

15agaleleka amaShebha, azithimba, ababulala abafana ngohlangothi lwekrele,
kwasinda mna ndedwa, ukuza kukuxelela.

16Esathetha lo, kwafika omnye, wathi, Umlilo kaThixo uwe ezulwini, wayitshisa
impahla emfutshane nabafana, wabadla; kwasinda mna ndedwa, ukuza kukuxelela.

17Esathetha lo, kwafika omnye wathi, AmaKaledi amisa amaqela amathathu
azingenela iinkamela, azithimba, ababulala abafana ngohlangothi lwekrele; kwasinda
mna ndedwa, ukuza kukuxelela.

18Esathetha lo, kwafika omnye, wathi, Oonyana bakho neentombi zakho babesidla,
besela iwayini endlwini yomkhuluwa wabo omkhulu;

19nanko kuvela umoya omkhulu ngasentlango, wabetha ezimbombeni zoné zendlu,
yabawela abafana abo, bafa; kwasinda mna ndedwa, ukuza kukuxelela.

20Wesuka uYobhi, wayikrazula ingubo yakhe yokwaleka, wayicheba intloko yakhe,
wawa emhlabeni, waqubuda.

21Wathi, Ndaphuma ndize esizalweni sikama, ndiya kubuyela khona ndikwazé:
uYehova wanika, ikwanguYehova othabathileyo; igama likaYehova malibongwe.

22Kuko konke oko akonanga uYobhi, akamsola nokumsola uThixo.

UYobhi 2

1Kwathi ngamhla uthile, oonyana bakaThixo beza kuzimisa phambi koYehova; weza
noSathana phakathi kwabo, ukuba azimise phambi koYehova.

2Wathi uYehova kuSathana, Uvela phi na? USathana wamphendula uYehova, wathi,
Ekutyhutyha-tyhutyheni ehlabathini, nasekuhamba-hambeni kulo.

3Wathi uYehova kuSathana, Ùmgqalile na kodwa umkhonzi wam uYobhi, ukuba
akukho unjengaye ehlabathini, indoda egqibeleleyo, ethe tye, emoyikayo uThixo,
etyekayo ebubini: esabambeleleyo ekugqibeleleni kwayo,

4noko undixhokonxele kuyo ukuba ndiyiginyele ilize? USathana wamphendula
uYehova, wathi, Ulùsu ngenxa yolùsu; konke anako umntu wókunika ngenxa
yomphefumlo wakhe.

5Kodwa ke khawuse isandla sakho ngoku, uchukumise emathanjeni akhe
nasenyameni yakhe, ukuba akayi kukulahla na nawe lo, akwenze oko ebusweni
bakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi uYehova kuSathana, Nanko esesandleni sakho; kuphela wògcina umphefumlo wakhe.

7Waphuma ke uSathana, wemka ebusweni bukaYehova; wambetha uYobhi ngamathumba amabi, wathabathela entendeni yonyawo lwakhe, wesa elukakayini lwakhe.

8Wathabatha ukhamba ukuba azikhuhle ngalo, ehleli eluthuthwini.

9Wathi umkakhe kuye, Usabambelele na ekugqibeleleni kwakho?

10Mlahle uThixo, ufe. Wathi yena kuye, Uthetha njengesidengekazi. Siya kwamkela okulungileyo kuThixo, singamkeli nokubi, yini na? Kuko konke oko akonanga uYobhi ngomlomo wakhe.

11Ke kaloku izihlobo ezithathu zikaYobhi zabuva bonke obo bubi bumfikeleyo, zeza, saeso sivela endaweni yaso: uElifazi wakwaTeman, noBhiledadi wakwaShuwa, noTsofare waseNahama. Banqophisana ukuba beze, bamkhuze, bamthuthuzele.

12Baphakamisa amehlo abo besekude, àbamazi; baphakamisa izwi labo, balila; bakrazula elowo ingubo yakhe yokwaleka, bazigalela ngothuli entloko, beluphosa phezulu ezulwini.

13Bahlala naye emhlabeni apho iimini zasixhenxe nobusuku bazo; kungekho namnye uthetha naye, kuba babebona ukuba umvandedwa wakhe mkhulu kakhulu.

UYobhi 3

Isililo sikaYobhi

1Emveni koko uYobhi wawuvula umlomo wakhe, wayiqalekisa imini yakhe.

2Wasusela uYobhi, wathi,

3Mayidake imini endazalwa ngayo, Nobusuku ekwathiwa, Kukhawulwé indoda.

4Loo mini mayibe bubumnyama, Angayinyamekeli uThixo phezulu, Kungayibengezeli ukukhanya.

5Mayikhululwe ngentlawulelo bubumnyama nethunzi lokufa, Makulale amafu phezu kwayo; Mayidandathekiswe kokungcolisa imini.

6Obo busuku — masibubambe isithokothoko; Mabungavuyi phakathi kwemihla yomnyaka; Mabungangeni enanini leenyanga.

7Yabona, obo busuku mabube ludlolo; Makungezi kumemelela kubo.

8Mababuqalekise abaqalekisi bemihla, Abaxhobele ukuxhokonxa ileviyatan.

9Mazibe mnyama iinkwenkwezi zomso wabo obomvu; Mabulinde ukufika kokukhanya, kungabikho; Bungaziboni iinkophe zesifingo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ngokuba bungazivalanga iingcango zesizalo esandizalayo, Bungabusithelisanga ububi emehlweni am.

11Ibe iyini na ukuba ndingàfeli embilinini, Ndingàphumi umphefumlo ndisavela esizalweni?

12Kube kungani na ukuba amadolo andihlangabeze? Ibe iyini na ukuba andihlangabeze amabele, ukuze ndiwanye?

13Kuba ngoku ngendiba ndilele, ndazola; Ngendiba ndalala ubuthongo, ndandula ukuphumla

14Nokumkani namaphakathi elizwe, Abo bazakheláyo amanxuwa;

15Nabathetheli abanegolide, Abazizalisayo izindlu zabo ngesilivere.

16Ngendiba andikho, njengemvambilini eselelweyo; Njengabantwana abangabonanga kukhanya.

17Kuba apho, abangendawo bakuyekile ukugungqa; Khona apho bayaphumla abaphelelwe ngamandla.

18Abakhonkxiweyo bonwabile ndaweninye; Àbasaliva izwi lomqhubi.

19Omncinane nomkhulu — khona bayalingana; Ikhoboka likhuluekile enkosini yalo.

20Yini na ukuba abasebubini ábanike ukukhanya, Nabamphefumlo ukrakra abanike ubomi?

21Ábalindé ukufa, kusuke kungabikho; Ábakumbayo ngaphezu kobutyebi obuselelweyo;

22Ábavuya bade bagcobe, Babe nemihlali, xa bathe bafumanana nengcwaba?

23Ukuba ukukhanya akunike umfo ondlela isitheleyo, Obiyelweyo nguThixo ngeenxa zonke?

24Kuba endaweni yesonka sam kuza ukugcuma, Kuphalazeka njengamanzi ukubhonga kwam.

25Kuba ndinkwantya kokunkwantyisayo, kwaza kwandifikela, Into endinxunguphala yiyo indizele.

26Ndathi, ndingàchulumachanga ndingàzolanga, ndingàphumlanga, Kweza ke ukugungqa.

UYobhi 4

Intetho yokuqala kaElifazi

1Wasusela uElifazi wakwaTeman, wathi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Kungákudinisa na, kwakulingwa ukubhekiswa ilizwi kuwe? Engubani na onako ukuzibamba angathethi?

3Yabona, uthethise abaninzi, Wazomeleza izandla eziwileyo;

4Ukuthetha kwakho kwabaphakamisa abakhubekayo, Wawaqinisa amadolo agevegeve.

5Kungokunje into izé kuwe, wadinwa; Ifike kuwe, wakhwankqiswa.

6Ukoyika kwakho uThixo asiyinqolonci yakho na? Ithemba lakho alikukugqibelela kweendlela zakho na?

7Khawukhumbule, ngubani na owakha wadaka, emsulwa? Kuphi na apho ke bathi shwaka khona abathe tye?

8Ngokubona endiboné ngako, abalima inkohlakalo, Nabahlwayela ububi, bavuna kwabona.

9Badaka ngokuphefumla kukaThixo, Baphela ngumoya womsindo wakhe.

10Ukugquma kwengonyama, nelizwi lebhavumayo, Namazinyo eengonyama ezintsha ancothukile.

11Ingonyama iyatshabalala ngokuswela into yokuqwenga; Amathole engonyamakazi achithakele.

12Ndìcothelwe lilizwi, Indlebe yam yakuthabatha ukusebeza kwalo.

13Ezingcingangcingeni zasemibonisweni yobusuku, Bakusindwa abantu bubuthongo obukhulu,

14Kwandikhawulela ukunkwantya nokuthuthumela, Kwawankwantyisa amathambo am amaninzi.

15Kwathi phe umoya ebusweni bam, Yaba namanwele inyama yam.

16Wema, andayinakana imbonakalo yawo; Kwakho isimilo esithile phambi kwamehlo am; Ndeva izwi elisebezayo, lisithi,

17Umntu ulilungisa na ngaphezu koThixo? Uhlambululekile na umfo ngaphezu koMenzi wakhe?

18Yabona, àkakholwa ngabakhonzi bakhe, Nezithunywa zakhe uthi zingábaphosisi;

19Bangabeka phi na ke abahlala ezindlwini zodaka, Abasiseko siseluthulini, Abatyunyuzwa njengamanundu?

20Kusa kuhlwe, beqotywa; Badake kuphele, kungekho ugqalayo.

21Àbathi na, xa luthe lwancothulwa kubo uthàmbo lwentente, Bafe bengalumkanga?

UYobhi 5

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Khawubize kambe, ukuba úkho na owokuphendula. Ùya kubheka kuwuphi na kwabangcwele?

2Kuba ingqumbo iyambulala osisimathane, Nekhwele liyambulala osisiyatha.

3Ndimbonile mna osisimathane emila; Ndaza ndalishwabulela ngesiquphe ikhaya lakhe.

4Bakude nosindiso abantwana bakhe, Batyunyuzwa esangweni bengenamhlanguli;

5Ekubeni abalambileyo besidla uvuno lwakhe, Balurhole naseluthangweni lwesiphingo; Abanxaniweyo bazonda ubutyebi babo.

6Kuba inkohlakalo ayiphumi eluthulini, Nobuni abuntshuli emhlabeni;

7Hayi, umntu uzalelwa ububi, Njengokuba iintlantsi zinyuka ukubaleka kwazo.

8Ke mna bendiya kusingisa kuThixo, Indawo yam ndiyibhekise kuThixo,

9Owenza izinto ezinkulu ezingenakugocwagocwa, Imisebenzi ebalulekileyo engenakubalwa;

10Ulonika imvula phezu kobuso bomhlaba, Ase amanzi phezu kwamaphandle,

11Ukuba abathobekileyo abamise ezindaweni eziphakamileyo, Abanezimnyama zokuzila banyukele elusindisweni.

12Utshitshisa iingcinga zabo banobuqhophololo, Zingenzi nto izimasekileyo izandla zabo.

13Ubambisa izilumko kubuqhophololo bazo, Iqhinga labanobuqokolo lingxamiseke ke.

14Emini baqubisana nobumnyama, Baphuthaphuthe kwemaqanda, ngathi kusebusuku.

15Usindisa ihlwempu ekreleni, emlonyeni wabo, Nasesandleni sowomeleleyo.

16Kubekho ke ithemba kosweleyo, Ubugqwetha buwuvale umlomo wabo.

17Yabona, únoyolo mntu owohlwaywa nguThixo! Musa ke ukukucekisa ukuthethisa kukaSomandla!

18Kuba wénza buhlungu, abophe; Úyaphalusa, ziphilise izandla zakhe.

19Ezimbandezelweni ezintandathu úya kukuhlangula, Nakwezisixhenxe akuyi kuchukunyiswa bububi;

20Endlaleni úkukhulula ekufeni Emfazweni úkukhulula ekuxatyelweni ngekrele,

21Eziniyeni yolwimi ùzinyezwe, Ungoyiki imbuqo, yakufika.

22Imbuqo nendlala ùya kuyihleka, Nerhamncwa lasendle ungaloyiki.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kuba ùnqophisene namatye asendle, Amarhamncwa asendle axolelene nawe;

24Uya kwazi ukuba uxolo yintente yakho, Ulivelele ikhaya lakho, ungaphosani nanto;

25Uyàzi ukuba ininzi imbewu yakho, Nenzala yakho injengomfuno wehlabathi.

26Ùya kungena engcwabeni womeléle, Njengokungeniswa kwesithungu ngexesha laso.

27Bôna, oku sìkugocágocile, kunjalo; Kúve, ukwazi wena ngokwakho.

UYobhi 6

Intetho yokuqala kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Akwaba bekulinganiswe nokulinganiswa ukukhathazeka kwam, Kwabekwa esikalini ukweyela kwam ndawonye nako!

3Kuba ngoku bekuya kuba nzima ngaphezu kwentlabathi yolwandle; Kungenxa yoko le nto amazwi am angawokubhuda.

4Kuba iintolo zoSomandla zimi kum, Ezibuhlungu bazo buwufincayo umoya wam; Izidandathekiso zikaThixo zindakhele uluhlu lokulwa.

5Iesile lasendle likhe lilile na liseluhlazeni? Iyalila na inkomo isekutyeni kwayo?

6Iyadliwa na into ejavujavu, ingenatyuwa? Sikho na isongo kwintlaka yeqanda?

7Eyona nto walayo ukuyiphatha umphefumlo wam, Leyo yeyona ikukudla kwam okukruqulayo.

8Akwaba bendingazuza isicelo sam, UThixo andiphe endikulindelayo;

9Kukhóleke kuThixo ukundityumza, Asivulele isandla sakhe, andinqumle!

10Ibiya kuhlala ikho intuthuzelo yam; Bendiya kuxhina kwezo ntlungu zingacongiyo; Kuba andiwakhanyelanga amazwi oyiNgcwele.

11Ayintoni na amandla am, ukuba ndingáde ndithembe? Siyintoni na isiphelo sam, ukuba ndingáde ndibe nokuzeka kade?

12Ángamandla amatye na amandla am? Inyama yam ilubhedu na?

13Ákuphelile yini na kum ukuncedakala, Ukuzimaseka kwabhejethwa kwakanye?

14Akùhlaziswa oqotyiweyo ngummelwane wakhe, Uya kulahla ukumoyika uSomandla.

15Abazalwana bam banginizile njengomlanjana, Njengomphantsi wemilanjana etshayo,

16Emdaka ngumkhenkce, Elizifihla kuyo ikhephu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ekufikeni kokufudumala iyabhanga; Lakubalela ithi qoko, ingabikho ezindaweni zayo.

18Iyajikajika imendo yokuhamba kwayo, Inyuka iye enyanyeni, idake.

19Imikhoko yakwaTema yabheka, Imiqodi yakwaShebha yathemba yona;

20Yadana, kuba ibikholosile; Yafika khona, yaneentloni.

21Kuba ngoku nisuké naba yinto engento, Niboné ukuqhiphuka umbilini, noyika.

22Khe ndatsho na ukuthi, Ethéni kum? Ndípheni emandleni enu?

23Nindisìndise esandleni sombandezeli, Nindikhùlule esandleni sengqwangangqwili?

24Ndiyaleni, ndothi cwaka; Nindiqòndise ukulahleka kwam.

25Asikuko nokuba ayahlaba amazwi athe tye! Ke ukohlwaya kwenu kohlwaya ntoni na?

26Niba ninokohlwaya ukuthetha oku na? Angumoya amazwi omntu oncamileyo.

27Ke nangenkedama ningaqashisa, Nirhwebe ngommelwane wenu.

28Makukholeke kuni ngoku, nibheke kum, Kuba okunene ebusweni benu andiyi kuthetha amanga.

29Khanibuye, makungabikho bugqwetha, Niphinde nibuye; ubulungisa bam bukule nto.

30Bukho na ubugqwetha elulwimini lwam? Ikhuhlangubo lam alingekuqondi na ukweyelisela?

UYobhi 7

1Àkaphumé mkhosi na ehlabathini umntu? Àyinjengemihla yomqeshwa na imihla yakhe?

2Njengesicaka esibe sizonda umthunzi, Njengomqeshwa olinde umvuzo wakhe?

3Ndenjenjalo ukwamkeliswa iinyanga ezinenkohliso, Ndabalelwa nobusuku bobubi.

4Ndakuba ndilele phantsi, ndithi, Ndiya kuvuka nini na? Ukuhlwa kolukile, Ndidikiwe kukuqikaqikeka kude kuse.

5Inyama yam yambeswe iimpethu namagada omhlaba; Ulùsu lwam lungamaqhula, lubhiqiza.

6Imihla yam ikhawuleza ngaphezu komkhonjana womluki, Iphela kungekho themba.

7Khumbula ukuba bungumoya ubomi bam; Iliso lam aliyi kubuya likubone okulungileyo.

8Aliyi kuba sandalama iliso londiboni leyo; Amehlo akho ekum, ndingabikho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Liphelile ilifu, limkile; Unjalo ohla aye kwelabafileyo, akenyuki.

10Akabi sabuyela endlwini yakhe, Ingabi samazi indawo yakhe.

11Nam andiyi kuwubamba umlomo wam; Ndiya kuthetha ekubandezelweni komoya wam, Ndikhalaze ebukrakreni bomphefumlo wam.

12Ndilulwandle na, ndiyingwenya na, Ukuba undimisele umlindo?

13Xa bendisithi, Wóndithuthuzela umandlalo wam, Sondithwalisisa inkalazo yam isingqengqelo sam:

14Wesuka wena wandoyikisa ngamaphupha, Wandidandathekisa emibonweni,

15Wada umphefumlo wam wanyula ukukrwitshwa; Wanyula ukufa ngaphezu kwamathambo la.

16Ndikruqukile; andingi ndingadla bomi ngonaphakade; Ndíyeke, kuba ingumphunga imihla yam.

17Uyintoni na umntu lo, le nto umkhulisayo, Le nto uyisingise kuye intliziyo yakho,

18Umvelele imiso yonke Umcikide imizuzu yonke?

19Kunini na ungawasusi amehlo kum, Ungandiyeki, khe ndiginye amathe?

20Ndithé ndona, ndingákwenza ntoni na? Wena mlindi woluntu, Yini na ukuba undenze itekeni, Ndibe ngumthwalo kum?

21Yini na ukuba ungasixoleli isikreqo sam, ungabudlulisi ubugwenxa bam? Kuba kaloku ndiya kuzilalisa eluthulini; Wòndondela kakhulu, ndingabikho.

UYobhi 8

Intetho yokuqala kaBhiledadi

1Wasusela uBhiledadi wakwaShuwa, wathi,

2Kunini na uthetha izinto ezinje? Engumoya omkhulu amazwi omlomo wakho?

3UThixo angákwenza gwenxa na okusesikweni? USomandla angabenza gwenxa na ubulungisa?

4Ukuba abantwana bakho bathe bamona yena, Wabanikela esandleni sesikreqo sabo;

5Ukuba ùthe wamfuna ngenkuthalo uThixo wena, Watarhuzisa kuSomandla;

6Ukuba uthe wacoceka, wathi tye wena, Okunene, wóvuka ngoku ngenxa yakho, Alisikelele ikhaya lobulungisa bakho;

7Kuthi ukuqala kwakho kube kuyinto encinane, Ukuphuma kwakho kube kukhulu kakhulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Kuba khawubuze kwisizukulwana saphambili; Uxunele ekugocagoceni kooyise baso:

9Kuba singabezolo thina, asinakwazi; Ngokuba isisithunzi imihla yethu ehlabathini.

10Abayi kukuyala na abo, bathethe kuwe, Barhole amazwi entliziyweni yabo? bathi,

11Iyakhula na imikhanzi, kungekho mgxobhozo? Iyahluma na ingcobo, kungekho manzi?

12Iseluhlaza, ingekaphiwa, Yoyiphangela ingca yonke ngokoma.

13Únjalo umendo wabo bonke abamlibalayo uThixo, Nethemba lomkhohlisi liyadaka;

14Ngokuba ukugasa kwakhe kuyanqunyulwa; Yindlu yesigcawu ukukholosa kwakhe.

15Wayama ngendlu yakhe, ingemi; Úbambelela kuyo, ingahlali.

16Úluhlaza phambi kwelanga, Namagatya akhe ayaqabela eludongeni lwentsimi yakhe;

17Iingcambu zakhe zijijene emweweni, Utyhudisa ezingcambeni zamatye.

18Ukuba uthe wamginya endaweni yakhe, Yomkhanyela ithi, Andikubonanga.

19Yabona, yiyo le imihlali yendlela yakhe, Ize eluthulini kuntshule abanye.

20Yabona, uThixo akamcekisi ogqibeleleyo, Akababambi ngesandla abenzi bobubi.

21Úya kuwuzalisa umlomo wakho ngokuhleka, Nemilebe yomlomo wakho ngokuduma:

22Abakuthiyayo baya kwambatha ukudana, Ingabi sabakho intente yabangendawo.

UYobhi 9

Intetho yesibini kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Okwenene, ndiyazi ukuba kunjalo; Ke angáthini na umntu lo ukuba lilungisa phambi koThixo?

3Ukuba úthe yena wafuna ukubambana naye, Ubengemphenduli namnye umbuzo kweliwaka.

4Úlumkile ngentliziyo, ukhaliphile ngamandla: Ngubani na okha agogotye kuye, aze asinde?

5Uloshenxisa iintaba zingazi, Ukuba azibhukuqe ngomsindo wakhe;

6Ulogungqisa ihlabathi, lisuke endaweni yalo, Zididizele iintsika zalo;

7Ulothetha elangeni lingaphumi, Azitywine, azivingce, iinkwenkwezi ngeenxa zonke;

8Ulotwabulula ixulu eyedwa, Anyathele emimangweni yolwandle;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ulowenza iinkwenkwezi zeBhere, namaKroza, nesiLimela, Neengontsi zasezantsi.

10Ulowenza izinto ezinkulu ezingenakugocwagocwa, Nemisebenzi ebalulekileyo engenakubalwa.

11Yabona, udlula phezu kwam, ndingamboni; Uthi phe, ndingamqondi,

12Yabona, exwila, ngubani na ongamnqandayo? Ngubani na ongáthi kuye, Wènza ntoni na?

13UThixo akawunqandi umsindo wakhe; Bayasibekeka phantsi kwakhe abancedi bakaRahabhi.

14Ndingáthini na ke mna ukumphendula, Ndiwakhethe amazwi am okuphendula kuye?

15Nokuba bendililungisa mna, bendingemphenduli; Ndingátarhuzisa kuphela kumgwebi wam.

16Ukuba bendithe ndabiza, wandiphendula, Bendingekholwa ukuba ulibekele indlebe ilizwi lam;

17Kanye ubeya kundityumza ngoqhwithela, Awandise amanxeba am ngelizé,

18Angàndiphi nokuba ndiphefumle; Ke ubeya kundihluthisa ngobukrakra.

19Ukuba yinto yamandla ekhalipha, úthi, Ndim okhoyo! Ukuba yinto yomgwebo, úthi, Ngubani na oya kundimema?

20Ukuba bendithe ndalilungisa, umlomo wam ubuya kundigweba; Ukuba bendithe ndagqibelela, ubeya kundenza umjibilizi.

21Ndigqibelele; àndiwukhathalele umphefumlo wam; Ndiyabucekisa ubomi bam.

22Kúnye oko; ngenxa yoko ndithi, Ogqibeleleyo nongendawo úyabatshabalalisa.

23Ukuba iziniya ithe yabulala ngesiquphe, Úya kugculela ukuqotywa kwabamsulwa.

24Ihlabathi linikelwe esandleni sabangendawo; Uyabugqubuthela ubuso babagwebi balo. Ukuba kanti akunjalo, kwenziwe ngubani na ke?

25Imihla yam ikhawulezé ngaphezu kwesigidimi; Ibalekile, ayibonanga kulungileyo;

26Ithe phe njengemikhombe yeengcongolo, Njengokhozi luxwila ixhoba.

27Ndákuthi, Ndiya kuyilibala inkalazo yam, Ndibuyeke ubuso bam, ndincumeze,

28Ndisuka ndinxunguphale ziimbulaleko zam zonke, Ndazi ukuba akuyi kuthi ndimsulwa.

29Kuthiwa ndingongendawo mna; Yini na le nto ndifumana ndizixhamla?

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Nokuba bendithe ndazihlamba ngamanzi ekhephu, Ndazihlambulula izandla zam ngesepha,

31Úbuya kundithi gxwa emhadini, Ndibe lisikizi nakwiingubo zam.

32Kuba akamntu yena, njengam nje, ukuba ndimphendule, Siyé ndawonye ematyaleni.

33Akukho mahluli phakathi kwethu, Wokubeka isandla sakhe phezu kwethu sobabini.

34Makayisuse intonga yakhe kum, Isothuso sakhe masingandidandathekisi:

35Ndothetha ke ndingamoyiki; Kuba andivi kunjalo mna eluvalweni lwam.

UYobhi 10

1Umphefumlo wam udimele bubomi bam; Ngoko ndiya kuyivulela inkalazo yam phakathi kwam; Ndithèthe, úkrakra umphefumlo wam;

2Ndíthi kuThixo, Musa ukundigweba; Ndazíse ukuba ubambene nam ngani na?

3Kulungile na kuwe ukuba ucudise, Ukuba ucekise ukuxelenga kwezandla zakho, Ulibengezelele iqhinga labangendawo?

4Ùnamehlo enyama na? Ùbona ngokubona komntu na?

5Injengemihla yomntu na imihla yakho, Iminyaka yakho injengemihla yomfo na;

6Ukuba nje ubufune ubugwenxa bam, Usingxoke isono sam,

7Usazi nje ukuba andingongendawo, Nokuba akukho unokuhlangula esandleni sakho?

8Izandla zakho zindiyilile, zandenza Ndonke, ngeenxa zonke; ùyandiginya noko.

9Khawukhumbule, ukuba undenzé ngokodongwe; Ke undibuyisa undise eluthulini!

10Akundithululanga na njengamasi, Wandivuthisa njengengqaka?

11Wandambesa ngolùsu nenyama, Wandiphingela ngamathambo nemisipha.

12Ùndenzele ubomi nenceba, Nokuvelela kwakho kwawugcina umoya wam.

13Ezi zinto ke wazigusha entliziyweni yakho; Ndiyazi ukuba ubunale ndawo yokuthi:

14Ukuba ndithe ndona, wòndibamba undilinde, Ungandenzi msulwa ebugwenxeni bam.

15Ukuba ndithe ndaba ngongendawo, athi ke mna! Ukuba ndithe ndaba lilungisa, ndingàyiphakamisi intloko yam: Ndihlúthi kukucukucezwa, Nakukubona iintsizi zam.

16Nokuba ithe yaziphakamisa intloko yam, wòndizingela njengengonyama, Úbuye wenze ngokubalulekileyo kum;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Úhlaziye amangqina akho phambi kwam; Úyandise ingqumbo yakho kum, Ibe kukukhululana kwemikhosi eza kum.

18Ibiyini na ke ukuba undikhuphe esizalweni? Ngendaphuma umphefumlo, andabonwa liso,

19Ndanga andibangakho, Ngendasuswa esizalweni, ndasiwa engcwabeni.

20Àyimbalwa na imihla yam? Makayeke, Adede kum, ndikhe ndincumeze kancinane,

21Phambi kokuba ndihambe, ndingabi sabuya, Ndiye ezweni lobumnyama nelethunzi lokufa,

22Ezweni elisongelwe bubumnyama njengesithokothoko, Lethunzi lokufa nelesidubedube, Elinkazimlo injengesithokothoko.

UYobhi 11

Intetho yokuqala kaTsofare

1Wasusela uTsofare waseNahama, wathi,

2Le nto ininzi yamazwi ayikuphendulwa na, Indoda elipholopholo igwetyelwe na?

3Ukuphololoza kwakho kuya kubetha athi tu na amadoda, Ukuba ugculele, kungabikho ukuhlazayo?

4Ùthi, Iqaqambile imfundiso yam, Ndinyulu emehlweni akho.

5Kodwa akaba uThixo ubethetha, Avule umlomo wakhe kuwe;

6Akuxelele iimfihlakalo zobulumko, Ukuba buphindeke kabini, bayinto ezimasekileyo; Ùbuya kwazi ke ukuba uThixo wenzé ukuba ubulibale ubugwenxa bakho.

7Ùnokufikelela na ezingontsingontsini zikaThixo? Unokufikelela na ekufezekeni kukaSomandla?

8Kuphakame ngokwamazulu; ùnokwenza ntoni na? Kunzulu kunelabafileyo; ùnokwazi ntoni na?

9Kukude kunehlabathi ukulinganiswa kwako, Kubanzi kunolwandle.

10Ukuba úthe phe yena, wavingcela, Wamemela ematyaleni, ngubani na onokumnqanda?

11Kuba yena uyabazi abantu abakhohlakeleyo, Uyabubona ubutshinga engaqondelanga.

12Nomntu onjengesidenge angaba nokuqonda, Nethole le-esile lasendle lingaba nokuzalwa lingumntu.

13Ukuba uthe wena wabhekisa intliziyo yakho kuye, Wazolulela izandla zakho kuye:

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ukuba kuthe kwakho inkohlakalo esandleni sakho, yise kude, Ungabuhlalisi ubugqwetha ezintenteni zakho;

15Okunene, ùya kwandula ukubuphakamisa ubuso bakho bungenasisihla, Uthi bhuxe, ungoyiki.

16Kuba wòkulibala ukwaphuka kwakho, Ukukhumbule njengamanzi adluleyo;

17Ukudla kwakho ubomi kuvuke, kuqaqambe ngaphezu kwemini enkulu; Nakuba kusongelwe emnyameni, kokhanya njengokusa.

18Wòkholosa, ngokuba sekukho ithemba, Uhlole, ulale phantsi enkolosekweni;

19Ubuthume, kungekho wothusayo, Bakuncekelele abaninzi.

20Ke wona amehlo abangendawo ophelelwa; Idake kubo indawo yokusabela, Ithemba labo libe kukuphuma umphefumlo.

UYobhi 12

Intetho yesithathu kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Kambe, níni abantu; Buya kufa nani ubulumko.

3Nam ke ndinentliziyo njengani; Andiwi nganeno kwenu. Ngubani na ongazaziyo izinto ezinjalo?

4Ndiyintlekisa kummelwane mna, Endibe ndingonqula uThixo, andiphendule; Úyintlekisa olilungisa, ogqibeleleyo.

5Onelishwa yinto yokudelwa ngokwamabhongo abonwabileyo; Kulungiselwe abanyawo zikhubekayo.

6Kukho ukuchulumacha ezintenteni zababhuqi; Bakholosile abamqumbisayo uThixo, Abafumbatha uThixo esandleni sabo.

7Kodwa khawubuze ezinkomeni, zókuyala; Nasezintakeni zezulu, zókuxelela;

8Thetha nomhlaba, wókuyala; Zókubalisela neentlanzi zolwandle.

9Ngubani na ongaziyo ngezo zinto zonke, Ukuba sisandla sikaYehova esikwenzileyo oko?

10Usesandleni sakhe umphefumlo wezinto zonke eziphilileyo, Nomoya wenyama yonke eyiyeyomntu.

11Indlebe ayiyi kukucikida na ukuthetha, Nekhuhlangubo likuve ukudla?

12Emaxhegweni kusebulumkweni, Ebudeni bemihla kusengqondweni.

13Bukuye ubulumko nobugorha, Lelakhe icebo nengqondo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Yabona, úgungxula, kungàkhiwa. Uyamvalela umntu, kungàvulwa,

15Yabona, úyawavala amanzi, atshe; Uyawavulela, aliphethule ilizwe.

16Anaye amandla nozimaso; Ngowakhe odungudelayo nodungudelisayo.

17Umkisa amaphakathi ebhunyulwe, Abagezise nabagwebi.

18Ukhulula imbophelelo yookumkani, Abophe umbhinqo emanqeni abo.

19Umkisa ababingeleli bebhunyulwe, Abazizimakade abaphenule.

20Ususa intetho kwabanyanisekileyo, Ayithabathe imvo kumadoda amakhulu.

21Uphalazela amanene ngendelo, Acombulule uqhwemesha lwabaziingqwemla.

22Utyhila iinzulu zasebumnyameni, Alikhuphele emhlotsheni ithunzi lokufa.

23Ukhulisa iintlanga, azitshabalalise; Uziphangalalisa iintlanga azifuduse.

24Ususa ingqondo kwiintloko zabantu balo ilizwe, Azibhadulise enyanyeni engenandlela.

25Ziphamza emnyameni kungekho kukhanya, Azibhadulise njengamanxila.

UYobhi 13

1Yabona, konke oko likubonile iliso lam, Yakúva indlebe yam, yakúqonda.

2Njengoko nazi ngako, ndiyazi nam; Andiwi nganeno kwenu.

3Kodwa mna ndinga ndingathetha kuSomandla, Ndifuna ukuzihlamba kuThixo.

4Kodwa ke nina ningabadyobha ngobuxoki, Ningamagqirha angento nonke niphela.

5Anaba benithe tu kanye; Nibe niya kuba nilumkile.

6Khaniphulaphule ke ukuzihlamba kwam, Ukuphika komlomo wam nikubazele indlebe.

7UThixo niya kumthethelela ngobugqwetha na, Nimthethelele ngenkohliso na?

8Niya kumnonelela na, Niphikele uThixo na?

9Kólunga na xa athe wanigocagoca? Ninokumgculela na, njengokuba enokugculelwa umntu?

10Wonohlwaya inene, Ukuba nithe ngasese nanonelela umntu.

11Ubungangamela bakhe abuyi kunidandathekisa na, Kuniwele ukunkwantyisa kwakhe?

12Izikhumbuzo zenu yimizekeliso yothuthu; Iingqolo zenu zoba ziingqolo zodaka.

13Yithini tu! Ndiyekeni, ukuze ndithethe, Kundihléle okundihlelayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Kungani na ukuba ndiyiphathe inyama yam ngamenyo am, Umphefumlo wam ndiwubeke ezandleni zam?

15Yabona, nokuba úthe wandibulala, ndolindela kuye; Kodwa ndozihlamba iindlela zam ebusweni bakhe.

16Kwaoko koba lusindiso kum: Okuba intshembenxa ingayi kuza ebusweni bakhe.

17Yivani, nikuve ukuthetha kwam, Nengxelo yam, ngeendlebe zenu.

18Khanibone, ndilicacisile ityala lam; Ndiyazi ukuba ndiya kugwetyelwa mna.

19Ngubani na ke ongabambana nam? Kuba bendiya kuthi tu kaloku, ndiphume umphefumlo.

20Kodwa izinto ezimbini musa ukuzenza kum, Ndize ndingazisithelisi ebusweni bakho:

21Isandla sakho síse kude kum, Nesothuso sakho singandidandathekisi.

22Biza ke, ndisabele mna; Mhlawumbi ndithethe, undiphendule.

23Zingaphi na izenzo ezigwenxa, nezono zam? Ndázise isikreqo sam, nesono sam.

24Yini na ukuba ubusithelise ubuso bakho, Ubè ndilutshaba kuwe?

25Ùya kungcangcazelisa ugxothe igqabi eliphetshethwayo na, Usukele umququ owomileyo na?

26Ngokuba uzibhalela kum izinto ezikrakra, Undidlisa ilifa lezenzo ezigwenxa zobutsha bam;

27Uzifaka esitokisini iinyawo zam, Uwugqala wonke umendo wam; Uzikrwelela umda ojikelezayo izithende zeenyawo zam:

28Mna lo, uhageleyo njengevithi, Njengengubo edliwe ngamanundu.

UYobhi 14

1Umntu, into ezelwe ngumfazi, Imihla yakhe mifutshane, izele ziinkathazo.

2Uphuma njengentyantyambo, abune; Ubaleka njengethunzi, angemi.

3Onjalo ùmvelela ngeliso lakho, Undimise mna ematyaleni phambi kwakho?

4Akwaba bekukho ohlambulukileyo ophume koyinqambi! Akukho nokuba abe mnye.

5Imisiwe nje imihla yakhe, Liyaziwa nguwe inani leenyanga zakhe; Umenzéle ke umda wakhe ongenakugqithwa.

6Susa amehlo akho kuye, aphumle, Ade akholiswe njengomqeshwa yimini yakhe.

7Kuba kukho ithemba emthini; Ukuba uthe wagawulwa, wóbuya uhlume, Igatya lawo lingapheli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ukuba ithe yaba ndala ingcambu yawo emhlabeni, Safa isibili sawo eluthulini:

9Ngevumba lamanzi wódubula, Wenze amasebe njengesithodlana.

10Ke yena umfo ufa angquleke; Umntu uphuma umphefumlo; abe phi na ke?

11Amanzi aselwandle ayemka; Umlambo uyatsha, wome:

12Umntu ulala phantsi ke, angavuki; Lide izulu lingabikho, bangàqabuki, Bangàvuswa ebuthongweni babo.

13Akwaba ubungandigushayo kwelabafileyo, Undisithelise ude ubuye umsindo wakho; Undimisele umda, undikhumbule ke!

14Ukuba úthe umfo wafa, wóphila na? Yonke imihla yokuphuma kwam umkhosi, bendinga ndingalinda, Kude kufike ukukhululwa kwam.

15Ubungábizayo ke, ndisabele mna, Uwulangazèle umsebenzi wezandla zakho.

16Kuba ngoku uyawabala amabanga am, Àkuzigcinile ngenxa yesono sam.

17Sitywiniwe savingcelwa engxoweni isikreqo sam; Wahlomela ebugwenxeni bam.

18Kodwa intaba, isíwa, iyagubeka; Iliwa liyashenxa endaweni yalo;

19Amanzi ayawadla amatye; Iziphango zawo ziyalukhukulisa uthuli lomhlaba; Ithemba lomntu ùyalidakisa ke.

20Ùthi gaga phezu kwakhe kuphele, emke; Uguqula ubuso bakhe, umgxothe.

21Bayazuka abantwana bakhe, angazi yena; Baba ziimbedlenge, angagqali yena.

22Kuye yedwa ibuhlungu inyama yakhe, Umphefumlo wakhe uyalila ngaphakathi.

UYobhi 15

Intetho yesibini kaElifazi

1Wasusela uElifazi wakwaTeman, wathi,

2Isilumko siphendula ngokwazi okungumoya na, Sizalise umbilini waso ngolophu lwasempumalanga na?

3Khe sohlwaye ngentetho engancediyo na, Nangokukhuluma okungasizi lutho na?

4Phezu koko wena utshitshise ukoyika uThixo, Wanciphisa ukuthelekelela phambi koThixo;

5Ngokuba ubugwenxa bakho bufundisa umlomo wakho, Unyulé ulwimi lwabanobuqhopholo.

6Ngumlomo wakho okugwebayo, asindim; Ngumlomo wakho okuphendulayo.

7Nguwe na owazalwa kuqala, waba ngumntu? Waveliswa ngenimba ngaphambi kweenduli?

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Wawukho na egquguleni likaThixo? Wabutsalela kuwe na ubulumko obo?

9Wazi ntoni na, esingayaziyo thina? Uqondé ntoni na, engekhoyo nathi kuthi?

10Kunje thina siziingwevu namaxhego, Amadala nakuyihlo ngokuzalwa.

11Zincinane na kuwe iintuthuzelo zikaThixo, Nelizwi elithethe kuhle nawe?

12Imka nantoni na intliziyo yakho? Aphanyazela ntoni na emehlo akho,

13Le nto ukuguqulela kuThixo ukufutha kwakho, Ukhuphe ukuthetha emlonyeni wakho?

14Uyintoni na umntu, ukuba aqaqambe? Abe lilungisa ozelwe ngumfazi?

15Yabona, nabangcwele bakhe àkakholwa ngabo, Nezulu àliqaqambile emehlweni akhe.

16Úbeke phi na olisikizi, oyimbozisa; Umntu lo, usela ubugqwetha njengamanzi?

17Ndokuxelela, ndiphulaphule; Endikubonileyo ndikubalisele;

18Okwaxelwa zizilumko, Kuvela kooyise, zaza azakufihla.

19Lanikwa zona zodwa ilizwe, Akwangena wasemzini phakathi kwazo.

20Yonke imihla yakhe, ongendawo uyazibhijabhija; Inani leminyaka liqwetyelwe ingqwangangqwili.

21Kumi ilizwi lokunkwantyisa ezindlebeni zakhe, Eluxolweni úyamfikela umbhuqi.

22Akakholwa ukuba uya kubuya emnyameni; Ke yena uqwetyelwe ikrele.

23Uphalaphalela ukutya, esithi, Kuphi na? Úyazi ukuba ulungiselwe imini yobumnyama ecaleni kwakhe.

24Udandathekiswa yimbandezelo nayingcutheko; Ithi gaga phezu kwakhe, njengokumkani olungiselwe isiphendu sokulwa.

25Ngokuba esolulele kuThixo isandla sakhe, Wazenza igorha kuSomandla:

26Wamgila, eyolule intamo, Ngamaqhubu angqingqwa eengweletshetshe zakhe;

27Ngokuba egubungele ubuso bakhe ngamanqatha akhe, Watyeba wanamanqatha emihlubulweni yakhe.

28Wema imizi engamanxuwa, Nezindlu ezingezakuhlalwa, Ezamiselwa ukuba zibe yimiwewe.

29Akayi kuba sisityebi, abuyi kuma ubutyebi bakhe; Inzuzo yakhe ayiyi kunaba emhlabeni.

30Akayi kusinda ebumnyameni; Igatya lakhe liya komiswa ngedangatye; Emke ngokufutha komlomo wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Okhohliswayo makangathembeli kumampunge; Kuba inkohlakalo iya kuba lulwanano lwakhe.

32Kozaliseka oko ingekabi yimini yakhe, Isebe lakhe lesundu lingabi luhlaza.

33Wówisa njengomdiliya uwisa iidiliya zawo ezikrwada; Avuthulule njengomnquma intyantyambo yawo.

34Kuba ibandla leentshembenxa liya kuba njengento embatshileyo, Umlilo uzitshise iintente zokucenga.

35Bakhawula ububi, bazale ubutshinga, Umbilini wabo usebenze inkohliso.

UYobhi 16

Intetho yesiné kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Ndivé izinto ezininzi ezinjengezo; Ningabathuthuzeli abayindinisa, nonke niphela.

3Aphelile na amazwi angumoya? Ùxhokonxwa yintoni na, ukuba uphendule?

4Nam ndibe ndingathethayo njengani. Ukuba umphefumlo wenu ubusendaweni yomphefumlo wam. Ndibe ndinganiqukela ukuthetha, Ndinihlunguzele intloko;

5Ndibe ndinganikhaliphisa ngomlomo wam, Nokukhuza komlomo wam kulunqande usizi lwenu.

6Nokuba ndithe ndathetha, àwunqandwa umvandedwa wam; Nokuba ndithe ndayeka, kumka ntoni na kum?

7Hayi, ngoku úndidinisile; Ùliphanzisile lonke ibandla lam.

8Ùndintshwenyisile, kwaba lingqina oko; Kwandimela ukubhitya kwam, Kwaphendula ebusweni bam.

9Umsindo wakhe wandiqwenga, wanditshutshisa; Úditshixizele amenyo akhe; Engumbandezeli wam, uwenzé abukhali amehlo akhe kum.

10Bandakhaméle umlomo; Ngengcikivo bandibetha ezidleleni; Bonke bayathelelana ukundichasa.

11UThixo wandinikela kumakhwenkwe, Wandijulela ezandleni zabangendawo.

12Ndibi ndichulumacha, wándivithavitha, Wandibamba ngentamo, wandihlekeza, Wandimisa ndaba yitekeni kuye.

13Bandirhawula abatoli bakhe, Wazityanda izintso zam, engenalufefe, Wayiphalazela emhlabeni inyongo yam.

14Wandenza iinduma ngeenduma, Wandigila njengegorha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ndathungela iingubo ezirhwexayo enkwaneni yolùsu lwam, Ndalugquba ngothuli uphondo lwam.

16Ubuso bam bubomvu kunene kukulila, Phezu kweenkophe zam lithunzi lokufa;

17Nakuba kungekho kugonyamela ezandleni zam, Uqaqambile umthandazo wam.

18Mhlaba, musa ukuliselela igazi lam, Kungabi nasikhundla ukuhlahlamba kwam.

19Nangoku, yabona, lisemazulwini ingqina lam; Ondivumelayo usezindaweni eziphezulu.

20Abandigxekayo ngabethu aba; Iliso lam liyengezela kuThixo,

21Ukuba alungisele umfo kuThixo, Ahlule phakathi komntu nommelwane wakhe.

22Kuba iminyaka embalwa iza kudlula, Ndihàmbe ke umendo endingayi kubuya ngawo.

UYobhi 17

1Umoya wam wonakele, imihla yam icinyiwe, Into yam ngamangcwaba.

2Inene ndiyinto abadlala ngayo, Neliso lam lilibéle ziinkani zabo.

3Khawubeke into, undimele; Ngubani na yena oya kubambana nam ngesandla?

4Ngokuba intliziyo yabo ùyifihlele ukuqiqa; Ngenxa yoko akuyi kubaphakamisa.

5Unikela abahlobo ukuba babe ngamaxhoba, Amehlo abantwana bakhe aze aphelelwe.

6Undimise ndaba ngumzekeliso ezizweni; Ndaba ngotshicelwa ebusweni.

7Laza lanorhatyazo iliso lam kukukhathazeka; Amalungu am aba njengesithunzi onke ephela.

8Bamangaliswa abathe tye yile nto; Omsulwa uyazixhokonxa ngenxa yentshembenxa.

9Ke olilungisa ubambe indlela yakhe, Ozandla zihlambulukileyo uya ekhalipha.

10Kodwa nina nonke, buyani, khanize; Andiyi kufumana silumko phakathi kwenu.

11Imihla yam idlule, zijaciwe izigqibo zam, Amafa entliziyo yam.

12Bathi ubusuku yimini; Ukukhanya kusondele, xa kuza kuba mnyama.

13Ukuba ndithe ndathemba, ndithembé elabafielyo, indlu yam; Ndandlala umandlalo wam emnyameni;

14Ukuba ndithe kukubola, Ùngubawo; Ndathi kwimpethu, Ùnguma, ùngudade wethu:

15Liphi na ke ngoku ithemba lam? Ithemba lam, ngubani na owolibona?

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Liya kuhla liye emivalweni yelabafileyo, Xa siphumla kunye eluthulini.

UYobhi 18

Intetho yesibini kaBhiledadi

1Waphendula uBhiledadi wakwaShuwa, wathi,

2Kunini na nikuzingela ukuthetha? Qondani, sothetha emveni koku.

3Yini na ukuba kuthiwe sinjengeenkomo, Sibe ziinqambi emehlweni akho?

4Wena uziqwengayo ngomsindo wakho, Liya kushiywa ihlabathi ngenxa yakho, lingamiwa na? Likhwelèle iliwa endaweni yalo?

5Noko nokukhanya oku kongendawo kuya kucinywa, Lingabi mhlophe ilangatye lomlilo wakhe.

6Ukukhanya kuya kwenziwa mnyama ententeni yakhe, Nesibane sakhe sicinywe phezu kwakhe.

7Ukunyantsula kwakhe kuya kuxinwa, Limphose phantsi kwaelakhe iqhinga.

8Kuba uqhutyelwe emnatheni ziinyawo zakhe, Uhamba phezu kwesibatha.

9Umgibe umbambisa ngesithende, Limbambise isango.

10Lufihliwe emhlabeni ulutya lwakhe, Ukuthiwa hlasi kwakhe kusengqushwini.

11Uyadandathekiswa ngeenxa zonke kukukhwankqisa, Kumbhebhethe, kuthane mbende naye.

12Amandla akhe aya kuphela kukulamba, Ukusindeka kulungiselwe ukujingxela kwakhe.

13Kudla iziqendu zolùsu lwakhe; Udla iziqendu zakhe owamazibulo wokufa.

14Iyancothuka ententeni yakhe inkoloseko yakhe, Ahanjiselwe kukumkani wokukhwankqisa.

15Kuhleli ententeni yakhe izinto zasemzini; Kugcwayelwa isulfure ekhayeni lakhe.

16Ngaphantsi ziya koma iingcambu zakhe, Ngaphezulu abune amasebe akhe.

17Isikhumbuzo sakhe siya kudaka ehlabathini, Angabi nagama nasemaphandleni.

18Baya kumtyhala ekukhanyeni, aye ebumnyameni, Aphekuzwe kwelimiweyo.

19Akayi kuba nanyana nanzala ebantwini bakowabo, Kungabikho usindileyo emizini yakhe.

20Bomangaliswa yimini yakhe abahleli entshonalanga, Nabasempumalanga babanjwe kukuba namanwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Inene, injalo iminquba yabanobugqwetha, Injalo indawo yongamaziyo uThixo.

UYobhi 19

Intetho yesihlanu kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Kunini na nisenza isingqala kumphefumlo wam, Ninditiyumza ngokuthetha?

3Ezi zihlandlo zilishumi nindihlazile; Ànidanile, niyandikhwankqisa.

4Khona ke ndithe okunene ndalahleka, Kuhleli nam ukulahleka kwam.

5Ukuba okunene nithe nazikhulisa kum, Nandohlwaya ngengcikivo yam:

6Yazini ngoko, ukuba nguThixo ondigobileyo, Wandirhawula ngomnatha wakhe.

7Yabona, ndiyakhala, ndithi, Ndagonyamelwa! kungasatyelwa; Ndiyazibika, kungabikho kulungisa.

8Úyibiyile indlela yam, akwabakho ukugqitha; Ezingqushwini zam wamisa ubumnyama.

9Úndihlube uzuko lwam, Wasusa isithsaba sentloko yam.

10Úndidilizile ngeenxa zonke, ndemka; Walincothula njengomthi ithemba lam.

11Úwuvuthise ngakum umsindo wakhe, Wandibalela ekuthini ndingowababandezeli bakhe.

12Zeza kunye izimpi zakhe, Zandifumbela indlela yazo, Zayizunguleza ngeenxa zonke intente yam.

13Abazalwana bam úbasé kude kum, Abandaziyo sebengabasemzini kanye kum.

14Izalamane zam zindishiyile, Nabazana nam bandilibele.

15Abahlala endlwini yam, nabakhonzazana bam, Bandibalele ekuthini ndingowasemzini, Ndingowolunye uhlanga emehlweni abo.

16Ndibiza umkhonzi wam, angasabeli; Ndimbongoze ngomlomo wam.

17Umoya wam umkruqule umkam; Ndiyanuka kubantwana besizalo esandizalayo.

18Namakhwenkwe ayandicekisa; Ndakusuka, asuka athethe ngam.

19Ndilisikizi kumakholwane am, Nabendibathanda bandiguqukele.

20Amathambo am atshele elùswini lwam nasenyameni yam; Ndisindé macebetshu.

21Tarhuni, tarhuni, zihlobo zam; Kuba isandla sikaThixo sindiphethe.

22Yini na ukuba nindisukele njengoThixo, Ninganeli yinyama yam?

23Akwaba ngoku ebebhalwa amazwi am! Akwaba ebekrolwe encwadini!

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Ngentlabo yesinyithi, atyhidwe ngelothe, Axholelwe eweni nanini!

25Ke mna ndiyazi ukuba umhlawuleli wam uhleli; Engowokuphela, uya kusuka éme phezu kothuli lwehlabathi.

26Emveni kokuba ulùsu lwam ludlavulwe lwanje, Ingasekho inyama yam, ndiya kumbona uThixo,

27Endiya kuzibonela mna ngokwam; Amehlo am ambone, ingabi wumbi. Ziyaphelelwa izintso zam ngaphakathi kwam.

28Ukuba nithi, Simsukela ngani na? Ingcambu yaloo nto ifunyenwe kum:

29Nxunguphalani likrele; Kuba ubushushu, bubo ubugwenxa obufanele ikrele, Ukuze nazi ukuba kukho umgwebo.

UYobhi 20

Intetho yesibini kaTsofare

1Wasusela uTsofare waseNahama, wathi,

2Ngako oko iingcingangcinga zam ezi ziyandiphendula, Ngenxa yokuthabatheka kwam ngaphakathi kwam.

3Ukuthethisa okundihlazayo ndiyakuva, Ke umoya uyandiphendula engqondweni yam.

4Oku ùyakwazi na kambe kwanini, Kususela koko lwabekwayo uluntu ehlabathini:

5Ukuba ukumemelela kwabangendawo kufutshane, Ukuvuya kweentshembenxa kokwephanyazo?

6Nokuba kuthe kwenyuka kwaya ezulwini ukuphakama kwakhe, Intloko yakhe wayifikisa emafini:

7Njengelindle lakhe uya kudaka kuphele, Abambonayo bathi, Úphi na?

8Úya kuphaphazela emke njengephupha, angafunyanwa, Aphekuzwe njengombono wobusuku.

9Iliso elikhe lambona, aliyi kuphinda; Indawo yakhe ayisayi kumalama.

10Abantwana bakhe baya kungxengxezela abasweleyo, Izandla zakhe zibuyise imfuyo yakhe.

11Amathambo akhe ebezele bubutsha; Bolaliswa phantsi naye eluthulini.

12Nokuba ububi bebunencasa emlonyeni wakhe, Wabugusha phantsi kolwimi lwakhe,

13Wabuconga akabuyeka, Wabuthintela ekhuhlangubeni lakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Isonka sakhe sibhuqukile emathunjini akhe, Yinyongo yamaphimpi embilinini wakhe.

15Úginye ubutyebi, wabuhlanza; Úyabukhupha esiswini sakhe uThixo.

16Wómungunya ubuhlungu bamaphimpi, Lumbulale ulwimi lwenyushu.

17Akayi kubona mijelo, Milambo, zihlambo zobusi namasi.

18Ebuyisa awakuxelengayo, akakuginyi; Angavuyi ngangobutyebi aburhwebileyo.

19Kuba wabathi viki, wabalahla, abasweleyo; Waxhakamfula indlu, angayakhanga.

20Kuba engalwazanga uxolo esiswini sakhe, Akayi kusinda nezinto zakhe ezinqwenelekayo.

21Bekungekho nto isindayo emqaleni wakhe; Ngenxa yoku, aziyi kuhlala izinto zakhe ezilungileyo.

22Ekuzalisekeni kokumaneleyo ubandezelekile, Izandla zonke zabangento ziyamfikela.

23Kothi, ukuze sizaliswe isisu sakhe, UThixo athumele kuye ukuvutha komsindo wakhe, Awunise phezu kwakhe enyameni yakhe.

24Ebaleka isikrweqe sesinyithi, Lomphumela utolo lwesaphetha sobhedu.

25Lurholiwe, lwaphuma emzimbeni, Nenyembe ebengezelayo enyongweni yakhe; Uyemka, izothuso ziphezu kwakhe.

26Ubumnyama bonke bubekelwe iingqwebo zakhe; Udliwa ngumlilo ongavuthelwanga; Ugqibe okusindileyo ententeni yakhe.

27Izulu lobutyhila ubugwenxa bakhe, Nehlabathi lisukele phezulu kuye.

28Iya kufuduswa indyebo yendlu yakhe, Ikhukuliswe ngomhla womsindo wakhe.

29Siso eso isabelo somntu ongendawo, sivela kuThixo, Nelifa alimiselweyo yena nguThixo.

UYobhi 21

Intetho yesithandathu kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Yivani, nikuve ukuthetha kwam; Kube ziintuthuzelo zenu oku.

3Ndithwaleni, ndithethe nam; Nigculele emva kwamazwi am.

4Mna, inkalazo yam isemntwini yini na? Khona bekungani ukuba ungazekaneki umoya wam?

5Bhekani kum, nimangaliswe; Bekani isandla emlonyeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Okunene, ndakùkhumbula, ndisuka ndikhwankqiswe, Nenyama yam ibanjwe kukududuzela.

7Yini na ukuba abangendawo badle ubomi, Babe badala, kananjalo bomelele, babe namandla?

8Imbewu yabo iqinile phambi kwabo, inabo; Nabaphume embilinini wabo basemehlweni abo.

9Izindlu zabo zinoxolo, kungekho kunkwantya, Nentonga kaThixo ayibafikeli.

10Inkunzi yabo iyazeka ingahlohleli; Imazi yabo iyazala ingaphunzi.

11Bayawakhuphela njengomhlambi amakhwenkwe abo, Nabantwana babo bayadloba.

12Baphakamisa ilizwi benengqongqo nohadi, Bavuye lilizwi logwali.

13Bayayigqiba imihla yabo ngokuchwayitha, Behle ngephanyazo ukuya kwelabafileyo.

14Bathi kuThixo, Suka kuthi, Asikunanzile ukuzazi iindlela zakho.

15Úyini na uSomandla, ukuba simkhonze? Kusinceda ntoni na ukumjoka?

16Yabona, azisesandleni sabo izinto zabo ezilungileyo; Iqhinga labangendawo malibe lee kum.

17Kukangaphi na ke isibane sabangendawo sicinywa? Kubafikela ukusindeka kwabo? Ababele uThixo izintya ngomsindo wakhe?

18Babe njengengca enqunqiweyo phambi komoya, Njengomququ ohlaselwa sisaqhwithi?

19Nìthi, UThixo ububekela abantwana babo ubutshinga babo. Makabuphindezele kubo ngokwabo, bazi bona;

20Makayibone inkxwaleko yabo amehlo abo, Babusêle ubushushu boSomandla.

21Ngokuba bayinanze ngani bona indlu yabo emva kwabo, Lakuqhitshulwa inani leenyanga zabo?

22Úya kufundiswa ukwazi uThixo na, Lowo ugweba abaphezulu?

23Omnye ufa emandleni okwakhe ukuphila, Onwabile kanye, echulumachile.

24Iimvaba zakhe zizele ngamasi, Nomongo wamathambo akhe utyebile.

25Omnye ufa úkrakra umphefumlo wakhe, Engadlanga zinto zilungileyo.

26Balala ndawonye eluthulini, Iimpethu ziyabagubungela bobabini.

27Yabona, ndiyazazi iingcinga zenu, Namayelenqe enindigonyamela ngawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Xa nithi, Iphi na indlu yesibhovubhovu? Iphi na intente ebalulekileyo yabangendawo?

29Anibuzanga na kwabadlula ngendlela? Imiqondiso yabo ninako na ukuyikhanyela?

30Ukuba ngemini yokusindeka wanqandwa ongendawo, Ngemini yokuphuphuma umsindo wemkiswa?

31Ngubani na ongaxela ebusweni bakhe indlela yakhe? Enzé into yena, ngubani na oya kuphindezela kuye?

32Usiwa emangcwabeni yena, Alinde esigangeni.

33Anencasa kuye amagada esihlambo; Emva kwakhe kulandela lonke uluntu, Nangaphambi kwakhe belungenakubalwa.

34Ningáthini na ke ukundithuthuzela ngeento ezingento, Iimpendulo zenu zisele zibubumenemene nje?

UYobhi 22

Intetho yokugqibela kaElifazi

1Wasusela uElifazi wakwaTeman, wathi,

2Umfo unokumnceda na uThixo? Hayi bo! Uzinceda ngokwakhe oqiqayo.

3Kumnandi na kuSomandla, xa ùlilungisa? Kuyinzuzo na kuye, ukuba ùyazigqibelelisa iindlela zakho?

4Úya kukohlwaya na ngenxa yokoyika kwakho uThixo, Aye nawe ematyaleni?

5Ububi bakho abubukhulu na? Ubugwenxa bakho asibobungaphele ndawo na?

6Kuba ubúbambise umzalwana wakho ngelizé, Ububahluba abazé iingubo.

7Ubungàmsezi manzi otyhafileyo, Olambileyo ubumvimba ukutya.

8Ke indoda enengalo, belilelayo ilizwe; Obekekileyo ubehlala kulo.

9Abahlolokazi ububandulula belambatha, Neengalo zeenkedama ubuzityumza.

10Ngenxa yoko imigibe ikujikelezile, Ukhwankqiswe ngesiquphe kukunkwantyiswa.

11Khona akububoni na ubumnyama, Nobuninzi bamanzi akugubungelayo?

12UThixo ukuphakama kwakhe asikokwamazulu yini na? Bóna ke intloko yazo iinkwenkwezi, ukuba phezulu kwayo!

13Ùthi ke wena, Wázi ntoni na uThixo? Únokugweba na, engaphaya kobumnyama bamafu?

14Amafu amsithile, akaboni; Úzihambela okwakhe esazingeni samazulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Umendo wasephakadeni ùya kuwugcina na, Abawunyatheléyo abantu abanobutshinga?

16Àbashwabene lingekabi lixesha; Lwanyibilika, lwangumsinga useko lwabo,

17Àbabesithi kuThixo, Suka kuthi; Angabenza ntoni na uSomandla?

18Kanti ebenguye ozalisa izindlu zabo ngezinto ezilungileyo. Iqhinga labangendawo malibe lee kum.

19Aya kubona oko amalungisa, avuye; Omsulwa uyabagculela, esithi,

20Inene, abasukele phezulu kum bathe shwaka, Wakúdla umlilo ukuphuphuma kwabo.

21Khawenze ubuhlobo naye, ube noxolo; Ngaloo nto wòzelwa kokulungileyo.

22Khawamkele umyalelo emlonyeni wakhe, Ubeke iintetho zakhe entliziyweni yakho.

23Ukuba ùthe wabuyela kuSomandla, ùya kwakhiwa. Ukuba uthe wabubeka kude ubugqwetha ezintenteni zakho,

24Walibeka eluthulini ilitye legolide, Wayibeka eluhlalwini lwemilanjana neyakwaOfire:

25USomandla woba lilitye legolide kuwe, Nesilivere ebengezelayo kakhulu.

26Ngokuba ùya kwandula ukuziyolisa ngoSomandla, Ubuphakamisele kuThixo ubuso bakho.

27Wòthandaza kuye, eve, Uzizalise izibhambathiso zakho;

28Usongele into, ifezeke kuwe; Ezindleleni zakho kukhanye, kube mhlophe.

29Xa zithe zehla, wòthi, Phezulu! Amsindise omehlo aqondele phantsi.

30Úya kusindisa nongemsulwa, Asizwe bubunyulu bezandla zakho.

UYobhi 23

Intetho yesixhenxe kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Nanamhlanje inkalazo yam ineenkani, Isandla sam sinzima phezu kokugcuma kwam.

3Yoo! Andaba bendisazi apho ndingamfumana khona, Ndize esihlalweni sakhe!

4Bendiya kulicacisa phambi kwakhe ityala lam, Ndiwuzalise umlomo wam ngeziganeko.

5Andaba bendikwazi ukuthetha abeya kundiphendula ngako, Ndiyiqonde into abeya kuyithetha kum.

6Wóbambana nam ngamandla amakhulu na? Hayi! Kodwa ke wóndigqala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Oko othe tye ubeya kubonisana naye, Ndisinde kumgwebi wam, kuphele.

8Yabona, ndisinga phambili, angabikho; Nangasemva, ndingàmnakani;

9Ngasekhohlo, ekusebenzeni kwakhe, ndingàmalami; Xa atyekela ngasekunene, ndingàmboni.

10Kuba úyayazi indlela enam; Endicikidile, bendiya kuphuma njengegolide.

11Unyawo lwam lubambé umkhondo wakhe, Ndayigcina indlela yakhe, andathi gu bucala.

12Emthethweni wemilebe yomlomo wakhe andisukanga; Ndiwabekile amazwi omlomo wakhe kunowam ummiselo.

13Ke yena umi ndaweninye, ngubani na ongambuyisayo? Umphefumlo wakhe ukhanukile, úya kwenza oko.

14Kuba uya kukufeza oko ndikumiselweyo; Zininzi ke izinto ezinje kuye.

15Ngenxa yoko ndikhwankqiswe ebusweni bakhe. Ndakukugqala, ndisuka ndinkwantye nguye.

16UThixo uyiqobisile intliziyo yam. USomandla undikhwankqisile.

17Kuba andibhangiswanga ngenxa yobumnyama, Nangenxa yobuso bam obugutyungelwe sisithokothoko.

UYobhi 24

1Yini na ukuba kungàbekwa maxesha nguSomandla? Yini na ukuba abamaziyo bangaziboni iimini zakhe?

2Kushenxiswa imilimandlela; Kuphangwa imihlambi, yaluswe.

3Kuqhutywa kumkiwe ne-esile lenkedama, Kubanjiswe ngenkomo yomhlolokazi.

4Kugilwa amahlwempu endleleni, Bazímele ndawonye abaziintsizana belizwe.

5Khangela, njengamaesile asendle entlango, Baphuma ngomsebenzi wabo, befuna kwakusasa into yokudla; Inkqantosi sisonka sabantwana kubo.

6Esisimini bavuna ukutya kwabo, Babhikice esidiliyeni songendawo.

7Balala zé bengenangubo, Àbananto yokuzigubungela engqeleni,

8Bayanetha sisiphango seentaba; Bancathama ngeliwa, bengenandawo yakuzímela.

9Kuhluthwa ebeleni iinkedama, Koniwe abaziintzisana.

10Bahamba zé, bengenangubo; Bathwala izithungu, belambile.

11Phakathi kweendonga zâbaya bakhama ioli, Baxovula ezixovulelweni zewayini, benxaniwe noko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Emizini kugula amadoda, Nomphefumlo wabangxwelerhiweyo uyakhala; Kanti uThixo akathi bubuhilihili.

13Ngabo abo bagwilika ekukhanyeni; Abanakwazana neendlela zako, Abahlali ezingqushwini zako.

14Kusathi qhiphu ukusa, kuvuka isihange, Sibulale iintsizana namahlwempu; Ebusuku sibe njengesela.

15Iliso lomkrexezi ligciné ungcwalazi; Ùthi, Akukho liso liya kundalama, Anxibe isigqubuthelo ebusweni.

16Bagqobhoza izindlu emnyameni; Emini bayazivalela, Abazani nokukhanya.

17Ngokuba ubumnyama obuthe shinyi bukukuza kokusa kubo bonke; Ngokuba bazana nokhwankqiso lobumnyama obuthe shinyi.

18Bayakhawuleza phezu kwamanzi; Sitshabhisiwe isabelo sabo ehlabathini; Abasasingi endleleni yesidiliya.

19Amanzi ekhephu ahluthwa ngumqwebedu nakukubalela; Aboni bahluthwa lelabafileyo.

20Sibalibele isizalo; iimpethu ziyabamunya, Ababi sakhunjulwa; Baphulwe ke njengomthi ubugqwetha.

21Bamphanga kakubi oludlolo, ongazalanga; Abangamenzelanga okulungileyo umhlolokazi.

22Wolula imihla yeembalasane ngamandla akhe, Ziphakame bezise zibuncamile ubomi.

23Uzinika inkoloseko, zayame, Amehlo akhe abe phezu kweendlela zazo,

24Ziphakame: kube mzuzwana zingabikho. Zithe ngqu, zibuthiwe njengabanye bonke, Zinqanyulwe njengesikhwebu sengqolowa.

25Ukuba kanti akunjalo, ngubani na owondenza othetha amanga, Akwenze into engento ukuthetha kwam?

UYobhi 25

Intetho yokugqibela kaBhiledadi

1Wasusela uBhiledadi wakwaShuwa, wathi,

2Ulawulo nonkwantyiso lunaye; Wenza uxolo ezindaweni zakhe eziphezulu.

3Inokubalwa na imikhosi yakhe? Ngubani na ongàphunyelwayo kukukhanya kwakhe?

4Angáthini na umntu ukuba lilungisa kuThixo? Angáthini na ukuba ngoqaqambileyo ozelwe ngumfazi?

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Yabona, nenyanga ayimhlophe, Neenkwenkwezi aziqaqambile, emehlweni akhe.

6Ubeké phi na ke umntu, impethu le, Nonyana ka-Adam, umbungu lo?

UYobhi 26

Intetho yesibhozo kaYobhi

1Waphendula uYobhi, wathi,

2Ùtheni na wena ukumnceda ongenamandla, Nokuyisindisa ingalo engenamandla?

3Utheni na ukumcebisa ongenabulumko, Ukumazisa kunene into eyiyo?

4Uxelele bani na ukuthetha? Kukuphefumla kukabani na okuphume kuwe?

5Abangasekhoyo bayazibhijabhija Ngaphantsi kwamanzi, nabemi bawo.

6Lizé elabafileyo phambi kwakhe, Ayinasigubungelo inzonzobila.

7Úlaneka izulu langasentla enyanyeni, Axhome ihlabathi phezu kokungeni.

8Ubopha amanzi emafini akhe, Lingagqabhuki ilifu ngaphantsi kwawo.

9Uvingca umphambili wetrone, Aneke ilifu lakhe phezu kwayo.

10Uzunguleza ubuso bamanzi ngomda, Kuse ekupheleni kokukhanya nobumnyama.

11Iintsika zamazulu ziyanyenganyenga, Zingakhulumi kukukhalima kwakhe.

12Ngamandla akhe ugxobhagxobha ulwandle, Ngengqondo yakhe uqoba uRahabhi.

13Ngomoya wakhe wenza ukuba lise izulu; Isandla sakhe sayihlaba inyoka enyebelezayo.

14Yabona, ngamancam eendlela zakhe lawo; Iyini na ke intsebezo yelizwi esiyivayo ngaye? Ke yona indudumo yemisebenzi yobugorha bakhe ingáqondwa ngubani na?

UYobhi 27

1Wahambisa uYobhi, waphakamisa umzekeliso wakhe, wathi,

2Ehleli nje uThixo, olisusileyo ibango lam, USomandla, owenzé krakra umphefumlo wam

3(Kuba kusekum ukuphefumla kwam konke, Nomoya kaThixo usemathatheni am),

4Umlomo wam awuthethi bugqwetha, Nolwimi lwam aluxeli nkohliso.

5Makube lee kum ukuthi, niyalungisa; Ndoda ndiphume umphefumlo, ndingayisusi kum ingqibelelo yam.

6Ndobambelela ebulungiseni bam, andiyi kubuyeka; Intliziyo yam ayiyi kungcikiva mini eziminini zam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Malube njengongendawo utshaba lwam, Nósukela phezulu kum abe njengogqwethayo.

8Kuba liyintoni na ithemba lentshembenxa, xa athe wawunqumla, Xa athe wawurhola uThixo umphefumlo wayo?

9Wókuva na uThixo ukuhlahlamba kwayo, Xa ifikelwe yimbandezelo?

10Khona inokuziyolisa na ngoSomandla? Ingamnqula na uThixo ngamaxesha onke?

11Ndiya kuniyala ngokusingisele esandleni sikaThixo; OkunoSomandla andiyi kukukhanyela.

12Yabonani, nonke niphela ngokwenu nikubonile; Yini na ke ukuba nithethe into engento yakonto?

13Siso esi isabelo somntu ongendawo kuThixo, Nelifa labaziingqwangangqwili, abalamkelàyo kuSomandla.

14Ukuba bathe banda oonyana bakhe, bandiselwa ikrele; Nabaphume embilinini wakhe àbahluthi kukutya.

15Amaqongqolo akhe aya kungcwatywa kukufa, Abahlolokazi bakhe bangalili.

16Ukuba úthe wafumba isilivere njengothuli, Wazilungisela izambatho njengodaka:

17Angázilungisa, koko ziya kwambathwa lilungisa, Nesilivere leyo babelane ngayo abamsulwa.

18Uyakha indlu yakhe njengenundu, Njengephempe elenziwe yimboniseli.

19Ulala phantsi esisityebi, akaphindi; Uvula amehlo akhe, angabikho.

20Kumthabatha njengamanzi ukukhwankqa, Simbé ebusuku isaqhwithi.

21Luyamfukula ulophu lwasempumalanga, emke, Lumqweqwedise endaweni yakhe.

22UThixo umgibisela angamcongi; Usibaleka asibaleke isandla sakhe.

23Bamtyhwakrazela izandla, Bamenzele umsondlo, emke endaweni yakhe.

UYobhi 28

UYobhi ukhankanya imfihlakalo yobulumko bukaThixo

1Kuba kukhó apho iphuma khona isilivere, Nendawo yegolide abayihluzayo.

2Isinyithi sithatyathwa eluthulini, Banyibilikisa amatye abe lubhedu.

3Baphelisa ubumnyama, Bebhekisa eziphelweni zonke, Begocagocela amatye asesithokothokweni nawasebumnyameni obuthe shinyi.

4Bemba umngxuma kude kwabemiyo, Belityelwe lunyawo lwabahambi; Baxhomekile bekude nabantu, bayajinga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Umhlaba — kuphuma ukutya kuwo; Umzantsi wawo ubhukuqwa ngathi ngumlilo.

6Indawo yesafire ngamatye awo, Amagada egolide akuyo;

7Yingqushu engaziwa xhalanga, Engathiwanga nzo liso lantloyiya,

8Enganyathelwanga thole lanyamakazi inyalasayo, Engahanjwanga nayingonyama.

9Usa isandla sakhe nakwiqhwitha, Uzibhukuqa ezingcanjini iintaba.

10Ugqobhoza imijelo emaweni; Libona zonke izinto ezinqabileyo iliso lakhe.

11Uvingca imilambo ingavuzi, Okufihlakeleyo akukhuphele emhlotsheni.

12Ke bona ubulumko bufunyanwa phi na? Iphi na indawo yengqondo?

13Àkalazi umntu ixabiso labo; Àbufunyanwa ezweni labahleliyo.

14Amanzi enzonzobila athi, Àbukum; Ulwandle luthi, Àbunam.

15Àkurholwa golide ithe shinyi esikhundleni sabo; Àkulinganiswa silivere ibe yintengo yabo.

16Abumelwa yigolide ecikizekileyo yakwaOfire, Nesardonisi enqabileyo, nesafire.

17Azinakulingana nabo igolide negilas; Abunakwananana neempahla zegolide engcwengiweyo.

18Zingasakhunjulwa iikroale neekristale, Ukuzuzwa kobulumko kuphezu kweeperile.

19Ayinakulingana nabo itopazi yakwaKushi; Abumelwa yigolide ecikizekileyo, ecocekileyo.

20Ubulumko buvela phi na ke, Yiyiphi na indawo yengqondo?

21Bufihlakele emehlweni eento zonke eziphilileyo; Busithakele nasezintakeni zasezulwini.

22Inzonzobila nokufa kuthi, Sibuvile ukubuva ngendlebe.

23NguThixo oyiqondayo indlela yabo, Nguye oyaziyo indawo yabo.

24Kuba yena ubheka eziphelweni zehlabathi, Ubona phantsi kwamazulu onke;

25Ngokuwenzela umoya ubunzima bawo, Namanzi awalinganise ngomlinganiso;

26Ekuyenzeleni kwakhe imvula ummiselo, Nombane wendudumo indlela:

27Waza wabubona, wabubala; Wabumisa, wabugocagoca nokubugocagoca;

28Wathi emntwini: Yabona, ukoyika iNkosi, bubulumko obo, Nokutyeka ebubini kuyingqondo.

UYobhi 29

UYobhi ukrwaqula ebomini bakhe obudluleyo

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Wahambisa uYobhi ukuphakamisa umzekeliso wakhe, wathi,

2Yoo! Andaba bendineenyanga ezinjengezaphambili, Njengemihla abendigcinile uThixo;

3Xa ukukhanya kwesibane sakhe bekuphezu kwentloko yam, Xa ngokukhanya kwakhe bendibuhamba ubumnyama;

4Njengoko bendinjalo ngemihla yam yokwindla, Oko ukucweya kukaThixo bekuphezu kwentente yam;

5Oko uSomandla ebesenam, Bengeenxa zonke kum abantwana bam;

6Oko ebehlanjwa amabanga am ngamasi, Iliwa lindithululela imijelo yeoli.

7Xa ekuphumeni ngesango bendinyuka ukuya kuwo umzi, Ndimise isihlalo sam endaweni yembutho,

8Ándibona amadodana, azimela, Asuka amaxhego, ema.

9Abathetheli bakuyeka ukukhuluma, Babeka isandla emlonyeni.

10Ilizwi leenganga lazímela, Nolwimi lwazo lwanamathela ekhuhlangubeni lazo,

11Kuba indlebe yeva, yathi ndinoyolo; Iliso labona, landingqinela.

12Kuba bendisiza iintsizana ezizibikayo, Neenkedama, noswele umncedi.

13Intsikelelo yabadakayo ibindizela, Nentliziyo yomhlolokazi bendiyimemelelisa.

14Ubulungisa bendibambatha bundambathe; Lwaba njengengubo yokwaleka nonkontsho ugwebo lwam.

15Bendingamehlo kwimfama, Bendiziinyawo kwisiqhwala;

16Bendinguyise kumahlwempu, Netyala lendingabaziyo bendiligocagoca.

17Bendiwaphula amabamba ogqwethayo, Bendilikhupha emazinyweni akhe ixhoba.

18Ndathi ke, Ndiya kuphuma umphefumlo kunye nendlu yam, Ndiyandise imihla yam njengentaka engafiyo.

19Ingcambu yam iya kuvulelwa amanzi, Ulale umbethe emasebeni am.

20Uzuko lwam luya kuhlala lulutsha kum, Sihlaziyeke isaphetha sam esandleni sam.

21Babendiphulaphula, balindele, Bathi tu ecebeni lam.

22Emva kwelizwi lam babengaphindi bathethe, Kubachaphazele ukukhuluma kwam.

23Babendilinda njengemvula, Imilomo yabo bayakhamisele eyasekwindla.

24Bendibancumela, bencamile; Ukukhanya kobuso bam bangakusanganisi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Bendibanyulela indlela, ndihlale ndiyintloko; Bendihlala njengokumkani phakathi komkhosi, Njengothuthuzela abenza isijwili.

UYobhi 30

Ubudwayi banamhla bukaYobhi

1Kungoku bayandihleka abancinane kunam ngemihla, Abayise babo ndibe ndicekisa nokubabeka nezinja zomhlambi wam.

2Khona abengába ngawantoni na kum amandla ezandla zabo, Abaphelelwe ngamandla?

3Bathe ngokuswela nokulamba banqina, Abo banqabi bomqwebedu, Bobumnyama bentshabalala yakwantshabalala;

4Abo baqhawula imbuwa ematyholweni, Abasonka siyingcambu yonwele.

5Bayagxothwa phakathi kwabantu; Bahlatyelwa umkhosi ngathi ngamasela;

6Bahlale ezihlanjeni ezingcangcazelisayo, Emingxunyeni yomhlaba nasemaweni.

7Babhomboloza phakathi kwamatyholo, Bafumbalala phantsi kwamarhawu,

8Bengoonyana bezidenge kwanoonyana babangenagama, Ababethwa bemke ezweni.

9Kungoku ndiyingoma yabo. Ndaba kukukhuluma kwabo.

10Ndilisikizi kubo, bakude nam; Abawanqandi amathe ebusweni bam.

11Kuba úlucombulule uthàmbo lwam, wandicinezela, Bawuyeka umkhala phambi kwam.

12Ngasekunene kuphakama ubuvuvana; Batyhala iinyawo zam, Bandifumbele umendo wabo wokusindeka.

13Bayenza amagqagala indlela yam, Bancedisa ukweyela kwam, Abangenamncedi.

14Ukuza kwabo ngathi bagqobhoza ithuba elibanzi eludongeni, Bagaleleka kum nokuthi golokongqo kwalo.

15Kuguqukéle kum ukukhwankqisa, Kubusukela ubunene bam njengomoya; Kudlulé njengelifu ukusindiswa kwam.

16Kungoku uziphalazela phakathi kwam umphefumlo wam; Indibambile imihla yeentsizi.

17Ubusuku buphehla amathambo am, aqhiwuke kum; Iintlungu ezindidlayo azipheli.

18Ngobukhulu bamandla sizenzé sasisimbi isambatho sam, Sithe nca kum njengomqala wengubo yam yangaphantsi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Úndijulele eludakeni, Ndafana nothuli nothuthu.

20Ndiyazibika kuwe, ungasabeli; Ndisuka ndime, undijonge.

21Ùzenza isijorha kum; Unditshutshisa ngamandla esandla sakho.

22Undifukulela emoyeni, undikhwelisa kuwo, Undibhangise nokuzongoma kwawo.

23Kuba ndiyazi ukuba uya kundibuyisela ekufeni, Endlwini yokuhlangana kwabaphilileyo bonke.

24Kodwa ekuthini bhuma, umntu akoluli sandla na, Azibike ngenxa yoko elishweni lakhe?

25Khona andimlilelanga yini na omini zinobubi? Úbungenalusizi na umphefumlo wam ngenxa yehlwempu?

26Kuba ndathemba okulungileyo, kweza okubi; Ndalinda ukukhanya, kweza isithokothoko.

27Amathumbu am abila, akayeka; Yandihlangabeza imihla yeentsizi.

28Ndahamba ndinezimnyama zokuzila, akwabakho langa; Ndaphakama ebandleni, ndazibika.

29Ndingumzalwana weempungutye, Nomlingane weenciniba.

30Ulùsu lwam luyadlubhuka kum, lumnayama. Namathambo am atshile kukoma.

31Uhadi lwam lwaba sisijwili, Ugwali lwam lwaba lilizwi labalilayo.

UYobhi 31

UYobhi uxela ubumsulwa bakhe

1Ndiwamisele amehlo am umnqophiso; Ndingáthini na ukuqwalasela entombini?

2Besiya kuba yini na isahlulelo sikaThixo esivela phezulu, Nelifa loSomandla elivela ezindaweni eziphakamileyo?

3Ukusindeka asikokogqwethayo yini na, Neshwangusha asilelabenzi bobutshinga yini na?

4Akaziboni na yena iindlela zam, Awabale onke amabanga am?

5Ukuba ndibe ndihamba nokhohlakeleyo, Lwangxamela inkohliso unyawo lwam,

6Makandilinganise esikalini sobulungisa, Ákwazi uThixo ukugqibelela kwam.

7Ukuba ebethe gu bucala amabanga am endleleni, Yalandela amehlo am intliziyo yam, Sanamathela isisihla ezandleni zam:

8Mandihlwayele, kudle omnye, Iingcambu zabaphume kum zincothulwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ukuba ibihendekile intliziyo yam ngenxa yomkamntu, Ndalalela esangweni lommelwane wam,

10Umkam makasilele omnye umntu, Kuguqe abanye phezu kwakhe.

11Kuba loo nto bubugqwirha, Loo nto bubugwenxa phambi kwabagwebi.

12Inene, loo nto ngumlilo odla use enzonzobileni; Ibiya kuncothula iingcambu zongeniselo lwam lonke.

13Ukuba ndibe ndilahle ilungelo lomkhonzi wam nelomkhonzazana wam, Bakubambana nam,

14Bendingáthini na ukwenza, xa athe uThixo wesuka waphakama? Xa athe wavela, bendingáthini na ukuphendula?

15Owandenzayo ezibilinini akamenzanga na naye? Owasimilisa esizalweni akamnye na?

16Ukuba ndibe ndisala nabakungxameleyo abasweleyo, Ndawaphelisa amehlo omhlolokazi,

17Ndawudla ndedwa umthamo wam, Ayadla inkedama kuwo:

18Hayi bo! Kwasebuncinaneni bam inkedama yakhulela kum, ngathi ikuyise, Ndamalathisa umhlolokazi nasesizalweni sikama.

19Ukuba ndibe ndimbona otshabalalayo engenanto yokwambatha, Ihlwempu lingenanto yokuzigubungela;

20Ukuba abengàndisikeleli amanqe akhe, Àkazifudumeza ngoboya beemvana zam;

21Ukuba bendilingisile ngesandla sam kwinkedama, Ngokuba bendiboné uncedo lwam esangweni:

22Igxalaba lam maliwe esixhantini salo, Nomkhono wam waphuke ethanjeni lawo.

23Bekuya kuba kum ukunkwantya, ukusindeka nguThixo, Ndikhohlwe phambi kokuphakama kwakhe.

24Ukuba bendenze igolide inqolonci yam, Ndathi kwecikizekileyo, Nkoloseko yam;

25Ukuba bendikuvuyela ukuba buninzi kobutyebi bam, Nokufumana kakhulu kwesandla sam;

26Ukuba bendilibona ilanga likhupha imitha, Nenyanga ihamba indilekile,

27Yahendeka ngasese intliziyo yam, Ndasangela ngomlomo wam isandla sam:

28Nako oko ngekuba bubugwenxa phambi kwabagwebi; Kuba ngendiba ndimkhanyele uThixo waphezulu.

29Ukuba ndibe ndivuyela ilishwa londithiyayo, Ndaxhumela ukuba efunyenwe bububi

© 1975 Bible Society of South Africa.

30(Ke andilivumelanga ikhuhlangubo lam, ukuba lone, Ndiwùcele ngentshwabulo umphefumlo wakhe);

31Ukuba babengàtsho abantu bentente yam, ukuthi, Angaba ngubani na ongahluthanga yinyama yakhe?

32Ubengalali phandle umphambukeli, Iingcango zam bendizivulela endleleni;

33Ukuba bendilugubungela ukreqo lwam, njengoAdam, Ngokuqhusheka ubugwenxa bam esifubeni sam,

34Ngakuba bendingcangcazela phambi kwengxokolo eninzi, Ndaqhiphuka umbilini kukudelwa yimizalwane, Ndathi cwaka, andaphuma emnyango —

35Andaba bendinondiphulaphulayo! Nangu umqondiso wam, uSomandla makandiphendule; Nantsi incwadi ayibhalileyo obambene nam.

36Inene, ndoyithwala ngesixhanti nam, Ndoyithi jize kum njengesithsaba.

37Inani lamabanga am ndomxelela, Ndimsondele njengengànga.

38Ukuba umhlaba wam ubukhala ndim, Nemiqela yawo yalila kunye nawo;

39Ukuba bendiwadla amandla awo kungekho mali, Ndabanga ukuba uphume umphefumlo womniniwo:

40Makuphume amakhakakhaka esikhundleni sengqolowa, Nokhula esikhundleni serhasi. Agqityiwe amazwi kaYobhi.

UYobhi 32

Iintetho zikaElihu

1Ayeka loo madoda omathathu ukumphendula uYobhi; kuba ubelilungisa emehlweni akhe.

2Wavutha umsindo kaElihu unyana kaBharakeli, wakwaBhuzi, owemizalwane yakwaRam; wavutha kuYobhi umsindo wakhe, ngenxa yokuzigwebela ngokwakhe kunoThixo.

3Wavutha kubahlobo bakhe abathathu umsindo wakhe, ngenxa enokuba bengafumananga kumphendula, phofu bemgwebile uYobhi.

4Ke kaloku uElihu ubesalindisile kuYobhi ngamazwi, ngokuba babebadala kunaye ngemihla.

5Wabona uElihu, ukuba akukho mpendulo emlonyeni waloo madoda mathathu, wavutha ke umsindo wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wasusela uElihu unyana kaBharakeli, wakwaBhuzi, wathi, Ndimncinane mna ngemihla, Ke nina niziingwevu; Ngenxa yoko ndakhwelela phaya, ndoyika ukunityela ukwazi kwam.

7Ndathi, Imihla mayithethe, Iminyaka emininzi yazise ubulumko.

8Noko ngumoya osemntwini, Nokuphefumla kukaSomandla okubaqondisayo.

9Ukulumka àkunábakhulu, Ukuqonda okufaneleyo àkunámadoda makhulu odwa.

10Ngako oko ndithi, Phulaphula kum, Ndokutyela ukwazi kwam nam.

11Yabonani, bendiwalindile amazwi enu, Ndakubekela indlebe ukuqonda kwenu, Nada nagocagoca ukuthetha.

12Ndanigqala kakuhle; Yabonani, akukho namnye kuni umohlwayileyo uYobhi, Wawaphendula amazwi akhe.

13Hleze nibe nithi, Sibufumene ubulumko; UThixo uyamphephetha, asingumntu.

14Ke akakubhekisanga kum ukuthetha; Andiyi kumphendula ngamazwi enu.

15Baqhiphuke umbilini, abasaphenduli; Baphelelwe kukuthetha.

16Khe ndenze kùhle na, ngokuba bengathethi, Ngokuba bemi bengasaphenduli?

17Ndiya kuphendula nam okwam, Ndixele ukwazi kwam nam.

18Kuba ndizele kukuthetha; Únditcuthile umoya wembilini yam.

19Niyabona, imbilini yam injengewayini engavulelwanga; Njengeentsuba ezintsha, iza kugqabhuka.

20Ndiya kuthetha, ukuze ndiphefumle; Ndiya kuwuvula umlomo wam, ndiphendule.

21Mandingàkhe ndinonelele mntu; Ndingàkhe nditeketise mntu.

22Kuba andikwazi ukuteketisa; Ubeya kundisusa kalula uMenzi wam.

UYobhi 33

1Kodwa khawukuve, Yobhi, ukuthetha kwam, Uwabekele indlebe amazwi am onke.

2Khawubone, ndiwuvulile umlomo wam, Luyathetha ulwimi lwam ekhuhlangubeni lam.

3Akukuthi tye kwentliziyo yam amazwi am; Ukwazi komlomo wam ákuthetha kanyulu.

4UMoya kaThix wandenza, Nokuphefumla kukaSomandla kundidlise ubomi.

5Ukuba ùnako, ndiphendule; Yakha uluhlu amazwi phambi kwam; misa.

6Ùyabona, njengawe ndingokaThixo; Ndacatshulwa eludongweni nam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Yabona, ukothusa kwam akuyi kukudandathekisa; Nokushicilela kwam akuyi kuba nzima phezu kwakho.

8Okunene, ùthethe ezindlebeni zam, Ndaliva ilizwi lokukhuluma, lisithi,

9Ndiqaqambile, andinalukreqo; Ndiguxiwe, andinabugwenxa.

10Yabona, ufuna izizekabani zokuthibana nam, Úthi ndilutshaba lwakhe.

11Úzifaka iinyawo zam esitokisini, Úwulinga wonke umendo wam.

12Yabona akulungisi ngaloo nto; ndokuphendula; Kuba uThixo yena mkhulu kunomntu.

13Yini na ukuba ubambane naye, Kuba engaphenduli ngeendawo zakhe zonke?

14Kanti, hayi, ngendlela enye uThixo uyathetha, Nangezimbini, ke akukhathalwa.

15Ephupheni, embonweni wasebusuku, Bakuwelwa bubuthongo obukhulu abantu, Ekozeleni elukhukweni;

16Uzityhila oko iindlebe zabantu, Akutywine akuvingce ukuthethiswa kwabo,

17Ukuze amthinte umntu ekwenzeni into, Agubungele uqhankqalazo lomfo;

18Awunqande umphefumlo wakhe esihogweni, Nobomi bakhe bungagqitheli emkhontweni.

19Wohlwaywa umntu ngumvandedwa esililini sakhe, Nayimfazwe esimakade emathanjeni akhe;

20Ubomi bakhe bukwale ukudla, Nomphefumlo wakhe wale ukudla okunqwenelekayo.

21Iyadleka inyama yakhe, ingabonakali, Avele amathambo akhe abengabonakali.

22Úyasondela ke esihogweni umphefumlo wakhe, Nobomi bakhe kubabulali.

23Ukuba ke kuthe kwakho isithunywa sezulu Esimlamlelayo, noko sisinye ewakeni, Sokùmxelela umntu okumfaneleyo:

24Wómbabala, athi, Mkhulule, angehli aye esihogweni, Kuba ndilufumene ucamagusho.

25Isuka ibe nentlahla inyama yakhe; Ubuyela emihleni yobudodana bakhe;

26Uthandaza kuThixo, akholiswe yena nguye; Abubone ubuso bakhe eduma; Yena ambuyekeze ke umntu ubulungisa bakhe.

27Lo úvuma ebantwini, athi, Bendonile, ndakúgwenxa okuthe tye, Akwalinganiselwa kum njengoko noko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Úwukhulúle umphefumlo wam, ukuba ungagqitheli esihogweni, Nobomi bam bókubona ukukhanya.

29Yabona, oko konke uyakwenza uThixo Izihlando ezibini nezithathu kumfo,

30Ukuba abuyise umphefumlo wakhe esihogweni, Ukhanye ngokukhanya kobomi.

31Baza indlebe, Yobhi, phulaphula kum; Yithi tu, ndithethe mna.

32Ke ukuba ùnokuthetha, ndíphendule; Thetha, kuba ndifuna ukukugwebela.

33Ukuba akukho, phulaphula kum wena; Yithi tu, ndikufundise ubulumko.

UYobhi 34

1Wasusela uElihu, wathi,

2Yivani, nina zilumko, ukuthetha kwam; Nina zâzi, ndibekeleni indlebe.

3Ngokuba indlebe iyakucikida ukuthetha, Ikhuhlangubo liyakuva ukudla.

4Masizinyulele okusesikweni, Sikwazi phakathi kwethu okulungileyo.

5Ngokuba úthe uYobhi, Ndililungisa, UThixo ulisusile ibango lam.

6Kuthiwa ndiyaxoka, noko likhoyo ibango lam; Liyabulala inxeba lam lotolo, noko ndingenalukreqo.

7Úphi na umfo onjengoYobhi, Yena ukuselayo ukugcula njengamanzi?

8Athelele kubenzi bobutshinga, Ahambe namadoda angendawo?

9Kuba esithi, Akancedeki umfo Ngokukholana noThixo.

10Ngako oko, nina madoda okuqonda, phulaphulani kum; Makube lee kuThixo ukuba ngongendawo; KuSomandla, ukuba abe nobugqwetha,

11Ke ukwenza komntu ukúbuyekeza kuye, Amfumanise umfo ngokwehambo yakhe.

12Hayi bo! UThixo akenzi ngokungendawo, USomandla akakugwenxi okusesikweni.

13Ngubani na omphathise ihlabathi? Ngubani na omise elimiweyo lonke?

14Ukuba ubebhekise kuye ngokwakhe yedwa, Wawuhlanganisela kuye umoya wakhe, nokuphefumla kwakhe,

15Ibiya kuphuma umphefumlo inyama yonke kunye, Umntu abuyele eluthulini.

16Wanga ungákuqonda, ungákuva oku, Ulibekele indlebe izwi lokuthetha kwam!

17Kanene, othiye okusesikweni ubengaphatha ngobukhosi, yini na? Khona uSobulungisa wòmgweba na?

18Kungáthiwa na kukumkani, Tshijolondini? Nakumanene, Zintondini zingendawo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Kangakanani na ke kongabanoneleliyo abathetheli, Onganoneleli zinongonongo ngaphezu kwabasweleyo? Kuba bangumsebenzi wezandla zakhe bona bonke.

20Bafa ngephanyazo, phakathi kobusuku; Bayahexiswa abantu, badlule, Zisuswe iimbalasane kungengasandla.

21Kuba amehlo akhe aphezu kweendlela zomntu, Úyawabona onke amabanga akhe.

22Akukho bumnyama, akukho thunzi lakufa, Ukuba basithele kulo abenzi bobutshinga.

23Ngokuba akazekeleli ukumngqinga umntu, Ukuze eze ematyaleni noThixo.

24Úyabashwaqa abaziinyathi engagocagocanga, Amise ke abanye esikhundleni sabo.

25Ngako oko úyazazi izenzo zabo, Ababhukuqe ebusuku, batyumke.

26Úyabamonxoza ngokwabangendawo Endaweni yababoneli.

27Ekungenxa yokuze kubekho oko, le nto batyekáyo ekumlandeleni, Àbaziqiqa zonke iindlela zakhe;

28Ukuze bakufikise kuye ukukhala kosweleyo, Akuve ukukhala kweentsizana.

29Akùzolisa, ngubani na oya kuxhalisa? Akùsithelisa ubuso, ngubani na ongámbonayo? Esenjenjalo, nokuba kungenxa yohlanga, nokuba kungenxa yomntu emnye,

30Ukuze angabi ngukumkani umntu oyintshembenxa, Angabi zizirhintyelo zabantu.

31Ngokuba ubani angátsho na kuThixo ukuthi, Ndiziphakamisile, andisayi kuba sona;

32Endingakuboniyo, ndíyale ngako; Ukuba ndithe ndenza ngobugqwetha, andiyi kuphinda?

33Úya kuphindezela ngokwakho na yena, ngokuba usolile wena? Ukuba unyule wena, kunganyuli mna. Into oyaziyo yithethe.

34Aya kuthi kum amadoda aziingqondi, Nomfo osisilumko ondiphulaphulayo,

35UYobhi uthetha engenakwazi, Namazwi akhe akanangqiqo.

36Tarhuni, makacikidwe uTobhi kuse ekupheleni, Ngenxa yokuphendula kwakhe ngokwamadoda anobutshinga.

37Kuba elongeza ukreqo kwisono sakhe; Útyhwakraza izandla phakathi kwethu, Awenze maninzi amazwi akhe ngoThixo.

UYobhi 35

1Wasusela uElihu, wathi,

2Ùba oku kusesikweni na, Ukuthi, ubulungisa bakho bungaphezu kobukaThixo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ukuba uthi nje, Bundinceda ntoni na, Bundinyusa ngantoni na phezu kokundinyusa kwesono sam?

4Ndiya kukuphendula mna ngokuthetha, Nabahlobo bakho abanawe.

5Bheka ezulwini ubone; Ukhangele isibhakabhaka, siphezulu kuwe.

6Ukuba ùthi wone, usebenza ntoni na ngakuye? Khona zakuba zininzi izikreqo zakho, umenzé ntoni na?

7Ukuba ùthe walungisa wena, umpha ntoni na ngaloo nto? Wámkela ntoni na yena esandleni sakho?

8Kuyinto kwindoda enjengawe ukungabi ndawo kwakho; Buyinto kuwe, nyana womntu, ubulungisa bakho.

9Ngenxa yobuninzi bokucudisa, bayakhala abantu; Bayazibika ngenxa yengalo yabakhulu.

10Ke àbatsho ukuthi, Uphi na uThixo uMenzi wam, Osinika ingoma ebusuku,

11Osifundisa ngaphezu kweenkomo zehlabathi, Asiphe ubulumko ngaphezu kweentaka zezulu?

12Bandula bakhale, angaphenduli, Ngenxa yekratshi labanobubi.

13Hayi, yona into ekhohlakeleyo akayiva uThixo, USomandla akayikhathalele.

14Noko ùtshoyo ukuthi akumkhathalele, Ityala liphambi kwakhe, lindela kuye ke!

15Ke ngoko xa ungekaveleli umsindo wakhe, Akazani na kunene nesikhukhumali?

16Ke uYobhi ufumana awuvule umlomo wakhe, Akwandise ukuthetha engenakwazi.

UYobhi 36

1Waqokela uElihu, wathi,

2Khawenze kuhle, ndikutyele; Kuba kusekho ukuthetha okusingisele kuThixo.

3Ndiya kukuphakamisela entweni ekude ukwazi kwam, Ndimnike ubulungisa uMenzi wam.

4Okwenene, àkubuxoki ukuthetha kwam; Ogqibeleleyo ngokwazi uphambi kwakho.

5Yabona, uThixo unamandla, akacekisi bani; Unamandla ngokuqina kwengqondo.

6Akamlondolozeli ebomini ongendawo; Iintsizana uzinika ibango lazo.

7Akawasusi amehlo akhe kwabangamalungisa; Úbahlalisa kunye nookumkani etroneni Ngonaphakade, baphakame ke.

8Ukuba bakhonkxiwe ngemixokelelwane, Bebanjiwe ngezintya zeentsizi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Úbaxelela izenzo zabo Nezikreqo zabo; ngokuba bezenza amagorha.

10Uzityhilela intethiso iindlebe zabo; Uthi mababuye ebutshingeni.

11Ukuba bathe beva, bamkhonza, Boyigqiba imihla yabo ekulungeni, Neminyaka yabo ebumnandini.

12Ukuba bathe abeva, bogqithela emkhontweni, Baphume umphefumlo bengenakwazi.

13Ke abaziintshembenxa ngentliziyo babamba umsindo; Abazibiki xa abakhonkxayo;

14Úfe ke ebuncinaneni umphefumlo wabo, Nobomi babo bube bobeng'awu kwindawo engcwele.

15Úyamhlangula olusizana ngeentsizi zakhe, Ayityhile indlebe yakhe ngokuxinwa kwabo.

16Nawe úbengakukhululayo yena emlonyeni wembandezelo, Akuse endaweni ebanzi, emzantsi ungacuthekileyo; Nókubekwa etafileni yakho kuzale kukutyeba.

17Ke wena uzele kukugweba kwabangendawo; Ukugweba nokugwetywa kunako ukukubamba.

18Kuba ubushushu mabungakuxhokonxeli ekutyhwakrazeni izandla, Nobukhulu bocamagusho mabungàthi gu bucala.

19Ukuzibika kwakho kokubeka ngaphandle kwembandezelo na, Nemigushanxa yonke yamandla?

20Musa ukuzonda ubusuku Bokususa izizwe esikhundleni sazo.

21Lumka, ungaguqukeli konobutshinga; Kuba ùnyulé loo nto kuneentsizi.

22Yabona, uThixo uphakamise ukwenza ngamandla akhe; Ngubani na umyali onjengaye?

23Ngubani na omphathise indlela yakhe; Ngubani na ongáthi, Wènzé ngobugqwetha?

24Khumbula ukuba úwukhùlise ngendumiso umsebenzi wakhe, Awuhlabele ingoma amadoda.

25Bonke abantu bayawubona; Umntu uwukhangela emgama.

26Yabona, uThixo mkhulu, asimazi; Inani leminyaka yakhe aligocagoceki.

27Kuba utsalela phantsi amathontsi amanzi, Achaphaze eyimvula enkungwini yakhe,

28Esiyinisayo isibhakabhaka, Ivuze phezu kwabantu abaninzi.

29Kanene baya kuqónda na ukwanekwa kwamafu, Nokuzongoma komnquba wakhe?

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Yabona, waneka phezu kwakhe ukukhanya kwakhe, Azigubungele ngamazantsi olwandle.

31Kuba ngezo nto ugqweba iziziwe, Unika ukudla ngento eninzi.

32Izandla zozibini uzigubungela ngombane, Awuwisele umthetho ngokochanayo.

33Ukugquma kwakhe kuyamxela, Kwaneenkomo, ukuba úza kunyuka.

UYobhi 37

1Inene, ngale nto iyagubha intliziyo yam, Ixhume endaweni yayo.

2Phulaphulani, phulaphulani ukuguguma kwelizwi lakhe, Nokudumzela okuphumayo emlonyeni wakhe.

3Úkusingisa ngaphantsi kwezulu lonke, Nombane wakhe uye emasondweni ehlabathi.

4Emva kwawo kubhonga ilizwi; Ududuma ngezwi lobungangamsha bakhe; Akawulibazisi, xa livakalayo izwi lakhe.

5UThixo ududuma ngezwi lakhe ngokubalulekileyo, Esenza izinto ezinkulu esingenakuzazi.

6Kuba úthi kwikhephu, Yiwa uwele emhlabeni; Nakwisiphango semvula, Nakwisiphango seemvula ezinkulu zakhe.

7Isandla soluntu lonke uyasitywina asivingcele, Ukuba babe nokwazi bonke abantu abenzileyo.

8Amarhamncwa angena emlaleleni, Ahlale ezikhundleni zawo.

9Engontsini yasentla kuvela isaqhwithi; Kumphephethi wasentla kuvela ukubanda.

10Ngokuphefumla kukaThixo kuza umkhenkce, Ububanzi bamanzi bucutheke.

11Kananjalo usindanisa ilifu ngamanzi amaninzi; Uphangalalisa amafu akhe abanekayo.

12Wona ajikajika ngeenxa zonke ngokwalathiswa nguye, Ukuze enze konke awawamisela khona Ebusweni behlabathi elimiweyo;

13Nokuba kungenxa yokubetha, nokuba kungenxa yehlabathi lakhe, Nokuba kungenxa yenceba, uyawafikisa.

14Oko kubekele indlebe, Yobhi; Yima, uyigqale imisebenzi ebalulekileyo kaThixo.

15Ùyazi na ukuwathwesa kukaThixo amafu akhe, Nokubengezelisa kwakhe ukubaneka kwawo?

16Ùyazi na ukulinganiselwa kwamafu, Imisebenzi ebalulekileyo yoSokwazi?

17Wena ungubo zifudumeleyo, Lakuzola ilizwe lulophu lwasezantsi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ùsikhánda usolule naye na isibhakabhaka, Esiqinileyo njengesipili esityhidiweyo?

19Sázise esingákuthethayo thina kuye; Asinakucacisa nto ngenxa yobumnyama.

20Wóbikelwa na ukuthi ndiyathetha? Umntu uthi makaginywe na?

21Ke ngoku àkubonwa kukhanya Kukhazimlayo, kusesibhakabhakeni; Kudlula umoya, lise.

22Entla kuziwa negolide; Phezu koThixo yindili eyoyikekayo.

23USomandla asinakumfumana, mkhulu ngamandla; Akagwenxi siko nabuninzi bobulungisa.

24Ngako oko bayamoyika abantu; Akabakhathalele bonke abalumke ngokwabo.

UYobhi 38

Intetho yokuqala yoSomandla

1Waza uYehova wamphendula uYobhi, esemoyeni ovuthuzayo, wathi,

2Ngubani na lo usitha icebo Ngokuthetha okungenakwazi?

3Khawuwabhinqise njengomfo amanqe akho, Ndikubuze, undazise.

4Ùbuphi na wena ukuseka kwam ihlabathi? Xela, ukuba ùyazi, ùyaqonda.

5Ngubani na omise imilinganiso yalo, ukuba uyazi? Ngubani na ololulele ulutya lokulinganisa?

6Zifakwe ntwenini na izikhondo zeentsika zalo? Ngubani na owabeka ilitye lalo lembombo,

7Ekumemeleleni kunye kwamakhwezi okusa, Beduma bonke oonyana bakaThixo?

8Ngubani na owaluvingceláyo ulwandle ngeengcango Ekutyhobozeni kwalo, luphuma esizalweni;

9Ekulwambathiseni kwam ngamafu, Ekulusongeleni ngesithokothoko;

10Ndakùlusikelela umda wam, Ndakùmisa imivalo neengcango;

11Ndathi, Fika apha, ungegqithi; Eme apha amaza akho akratshayo?

12Ngemihla yakho wakha wayiwisela umthetho na intsasa, Wasazisa isifingo indawo yaso;

13Ukuba sibambe amasondo ehlabathi, Bavuthulùlwe kulo abangendawo?

14Liguquka njengodongwe lomsesane wokutywina, Zizimise ngokwazo izinto njengasesambathweni;

15Abangendawo bavínjwe ukukhanya kwabo, Nengalo ephakamileyo yaphulwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ùye wafika na emithonjeni yolwandle? Wahambahamba ezingontsingontsini zenzonzobila?

17Ùwatyhilelwe na amasango okufa? Namasango ethunzi lokufa wawabona?

18Ùbugqalile na ububanzi behlabathi? Xela, ukuba ùyakwazi oko konke.

19Iphi na indlela esa ekhayeni lokukhanya, Nobumnyama iphi na indawo yabo,

20Ukuba ubùse emdeni wabo, Ukuba uqonde iindlela zendlu yabo?

21Ùyazi kambe, ngokuba wawusewuzelwe oko Lilikhulu nenani lemihla yakho!

22Ùfikelele na ebuncwaneni bekhephu? Ubuncwane besichotho wabubona,

23Endabuqwebela ixesha lembandezelo, Imini yokudibana nemfazwe?

24Iphi na indlela yalapho kwabiwa khona ukukhanya? Yalapho luphangalaliswa khona ulophu lwasempumalanga ehlabathini?

25Ngubani na ogqobhozela isiphango umjelo, Ogqobhozela umbane weendudumo indlela;

26Ukuba ine ezweni elingenamntu, Entlango, apho kungekho mntu;

27Ihluthise intshabalala yakwantshabalala, Intshulise uhlaza oluphumayo?

28Inoyise na imvula? Ngubani na ozala amathontsi ombethe?

29Uphuma umkhenkce esizalweni sikabani na? Neqabaka yasezulwini izalwa ngubani na?

30Amanzi ayaqina njengelitye, Nobuso bamanzi anzongonzongo bubambene.

31Ùnokuwabopha na amaqhina esiLimela, Uzicombulule izintya zamaKroza?

32Ùnokuyivelisa na imilindo yeenyanga ngexesha layo, Uzalathise iinkwenkwezi zeBhere nabantwana bayo?

33Ùyayazi na imimiselo yezulu? Umise ulawulo lwalo ehlabathini?

34Ùnokuliphakamisela emafini na izwi lakho, Ukuze ubuninzi bamanzi bukugubungele?

35Ùnokuyithuma na imibane, ihambe ithi kuwe, Sikho?

36Ngubani na omise ubulumko ezintsweni? Ngubani na onike imboniseli ingqondo?

37Ngubani na obala iingqimba zamafu ngobulumko? Ngubani na othulula iintsuba zezulu.

38Emelelweni wothuli, lube lutyhido, Amagada anamathelane?

39Ingonyamakazi ùnokuyizingelela inyamakazi na, Uzalise iphango leengonyama ezintsha,

© 1975 Bible Society of South Africa.

40Xa zincathamayo ezikhundleni zazo, Zihlale ezindadeni, zilalele?

41Ngubani na olungisela ihlungulu umfunzelo walo, Xa amathole alo azibika kuThixo, Ebhadu-bhadula, engenakudla?

UYobhi 39

1Ùyalazi na ixesha lokuzala kwamagogo asemaweni, Ugqale ukuzùza kwamaxhamakazi?

2Ùyazibala na iinyanga azizalisayo, Ulazi na ixesha lokuzala kwawo?

3Uyaguqa, azale, Akhuphe inkonyana.

4Ayomelela amankonyana awo, akhula emathafeni, Aphuma, angabi sabuya.

5Ngubani na olindululeyo iesile lasendle likhululekile? Iimbophelelo ze-esile elindwebileyo, ngubani na ozithukululeyo,

6Endilimisele inkqantosi ukuba ibe yindlu yalo, Neendawo ezinetyuwa zibe likhaya lalo?

7Liyayihleka ingxokolo yomzi, Aliyiva ingxolo yomqhubi.

8Umfuno weentaba bubutyani balo, Lilanda lonke uhlaza.

9Yovuma na inqu ukukukhonza, Ilale esitalini sakho?

10Unokuyibopha na inqu emqeleni ngomqokozo wayo, Iqwakanise iintili, ikulandela?

11Wòkholosa na ngayo, ngokuba emakhulu amandla ayo, Ukushiye nayo ukuxelenga kwakho?

12Ùnokukholwa na kuyo, ukuba yoyigodusa imbewu yakho, Ibuthele esandéni sakho?

13Iphiko lencinibakazi liyaphapha; Lunenceba yengwamza na ke usiba lwayo, noboya bayo?

14Hayi bo! Iwashiya emhlabeni amaqanda ayo, Ifukamele eluthulini;

15Ilibale ukuba unyawo lowatyumza, Nerhamncwa lasendle lowanyathela.

16Iyawabukula amathole ayo ngathi asingawayo, Kuphalale ukuxelenga kwayo, ingaxhali.

17Ngokuba uThixo wenzé yabulibala ubulumko, Akayabela ingqondo.

18Xesha limbi izibetha iphakame, Ilihleke ihashe nomkhweli walo.

19Linikwa nguwe na ihashe ubukroti? Ùyambathise intamo yalo ngobuyakayaka?

20Nguwe na oliqakathisa njengenkumbi? Isandi somfutho walo siyothusa.

21Liyagquba entilini ngamanqina, lenze amagqasi ngamandla; Liphuma likhawulele umkhosi onesikrweqe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Liyakuhleka ukunkwantya; aliqhiphuki mbilini; Alijiki phambi kwekrele.

23Úrhashaza phezu kwalo umphongolo, Nentshuntshe ebengezelayo, nenkcula.

24Ngentshakavu nangengcwangu liginya ilizwe; Alimi kwakuvuthelwa isigodlo.

25Ókuvuthela sivuthelwayo isigodlo, lisuka ngathi lithi, Ngxatsho ke! Lisezela imfazwe kwakude, Nokududuma kwabathetheli, nokufunza.

26Intambanane iphaphazela ngengqondo yakho na, Yolule amaphiko ayo, ibheke ezantsi?

27Kungomthetho wakho na, ukuba ixhalanga linyuke, Liyiphakamise indlu yalo,

28Lihlale engxondorheni, lilale Etsolweni lengxondorha, nasemboniselweni?

29Lilapho lihlola ukudla; Amehlo alo ondele kude.

30Amathole alo afunxa igazi; Nalapho bakhona abangxwelerhiweyo, likhona nalo.

UYobhi 40

Ukuphendulana koSomandla noYobhi

1UYehova wamphendula uYobhi, wathi,

2Wóbambana noSomandla na ke umthethiswa? Umohlwayi kaThixo makakuphendule oko.

3UYobhi wamphendula uYehova, wathi,

4Yabona, ndiphantsi. Ndothini na ukuphendula? Ndibeka isandla sam emlonyeni wam.

5Ndithethile kwakanye, andiyi kuphinda ndiphendule; Ndithethile kwakabini, andiyi kuphinda ndibuye ndiqhube.

Intetho yesibini yoSomandla

6UYehova wamphendula uYobhi, esemoyeni ovuthuzayo, wathi,

7Khawuzibhinqise amanqe akho njengomfo; Ndiya kukubuza, undazise.

8Kanene ùya kwaphula nogwebo lwam na, Undigwebe, ukuze ube lilungisa?

9Ùnengalo enjengekaThixo na, Ududume ngezwi njengaye?

10Khawuzihombise ke ngobungangamsha nokuphakama kwakho, Wambathe indili nobungangamela.

11Makuphalale ukuphuphuma komsindo wakho, Ulibone lonke ikratshi, uligungxule.

12Líbone lonke ikratshi, ulithobe, Ubangqule abangendawo ezindaweni zabo.

13Báqhusheke eluthulini kunye, Ububophe ubuso babo emfihlekweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Nam ndokudumisa, Ukuba sikusindisile isandla sakho sokunene.

15Khawuyibone imvubu endayenza yanawe: Idla utyani njengenkomo.

16Khawubone, amandla ayo asemanqeni ayo, Nokuqina kwayo kusezinyameni zesisu sayo.

17Igoba umsila wayo njengomsedare, Imisipha yamathangá ayo ibhijelene.

18Amathambo ayo anjengemibholompo yobhedu, Amathambo ayo anjengemivalo yesinyithi.

19Iyintlahlela yeendlela zikaThixo; UMenzi wayo wayinika ikrele layo.

20Ngokuba iintaba ziyithwalela ukudla, Onke amarhamncwa asendle adlala khona.

21Ibutha phantsi kwemitholo, Engcotyeni yeengcongolo nomgxobhozo.

22Imitholo iyigubungela ngomthunzi wayo; Imingculuba yesihlambo iyayijikeleza.

23Yabona, úhamba phandle umlambo, ayiphakuzeli; Ikholosile, xa kutyhobozela neYordan emlonyeni wayo.

24Inokubanjwa na, inamehlo nje, Igqojòzwe impumlo ngentsimbi yokuthiyela?

UYobhi 41

1Ùnokuyirhola na ingwenya ngegwegwe, Ulutshonise elutyeni ulwimi lwayo?

2Ùnokuyifaka intambo yomzí empumlweni yayo na, Ugqobhoze izidlele zayo ngentola?

3Ingátarhuzisa kunene na kuwe, Ithethe amazwi athambileyo kuwe?

4Ingénza umnqophiso na nawe, Wokuba uyithabathe ibe ngumkhonzi waphakade?

5Ùngádlala na nayo njengentaka, Uyikhulekele amantombazana akho?

6Angárhweba ngayo na amahlulelana abambisayo, Ayabe phakathi kwabarhwebi?

7Unokusizalisa na isikhumba sayo ngeenyembe, Nentloko yayo ngezikhali zeentlanzi?

8Beka isandla sakho kuyo; Khumbula imfazwe, ungaphindi.

9Yabona, ukulinda kobambisayo ngamanga; Inene, úqethuka kwaesayibona.

10Akukho sijorha sokuyixhokonxa; Ngubani na ke ongazimisa phambi kwam?

11Ngubani na ondiphangeleyo, wandinika ukuba ndibuyekeze? Okuphantsi kwamazulu onke kokwam.

12Andiyi kuthi tu ngamalungu ayo, Neendawo zobugorha bayo, nezimbo zezintlu zayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ngubani na onokuwutyhila umphambili wesambatho sayo? Ezintlwini ezimbini zemihlathi yayo, ngubani na onokuya?

14Iingcango zobuso bayo, ngubani na onokuzivula? Ngeenxa zonke emazinyweni ayo sisothuso.

15Iliqhayiya imiqela yeengweletshetshe zayo, Zivalwé ngetywina eliqinileyo.

16Zisondelene enye nenye, Akungeni moya phakathi kwazo.

17Zinamathelene enye kwenye, Zibambene, zingabi nakwahlukana.

18Ukuthimla kwayo kukhupha imitha, Namehlo ayo anjengeenkophe zesifingo.

19Emlonyeni wayo kuphuma izikhuni zomlilo ezitshangazayo, Kuthaphuke iintlantsi zomlilo.

20Emathatheni ayo kuphuma umsi, Njengowongxawu okhwezelwa ngemizi.

21Umphefumlo wayo uvuthisa amalahle, Kuphuma amalangatye emlonyeni wayo.

22Entanyeni yayo kuphuma amandla, Ebusweni bayo kuxhina ukuncama.

23Imihlubulo yenyama yayo inamathelene, Iqinile kuyo, ayishukumi.

24Intliziyo yayo iqine njengelitye, Iqine njengelokusila langaphantsi.

25Ekuphakameni kwayo, ziyanxunguphala iinjengele, Zithi makatha ngokuqhiphuka umbilini.

26Lifike kuyo ikrele, àlimi; Nantshuntshe, namkhonto, nankonjane.

27Ithi síngumququ isinyithi, Livithi ubhedu.

28Utolo lwesaphetha aluyibalekisi; Ajika abe ngumququ amatye okusawula kuyo.

29Ithi imivinqi ziindiza, Ikuhleke ukutyityimba kwenkcula.

30Ngaphantsi kwayo ziinkamba ezitsolo; Yaneka impahla yokusizila eludakeni.

31Iyibiliza inzulu njengembiza, Ulwandle ilwenza njengehlàla loqholo.

32Emva kwayo kukhanya indlela; Anga amanzi anzongonzongo zizimvi.

33Ehlabathini akukho nto ifana nayo, Le yenziwáyo ayaba nakuqhiphuka umbilini.

34Ibona konke okuphakamileyo; Ingukumkani yona kwizilo zonke ezinyalasayo.

UYobhi 42

Intetho yokugqibela kaYobhi nokurhoxa

1UYobhi wamphendula uYehova, wathi,

2Ndiyazi ukuba ùnako ukufeza konke, Akunqatyelwa nto uyicingileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ngubani na lo usithe icebo engenakwazi? Ngoko ke ndithethé ndingaziqondi Izinto
ezibalulekileyo kum, ndingazazi.

4Khawuphulaphule, ndithethe mna; Ndiya kubuza kuwe, undazise.

5Bendikuva ukukuva ngendlebe, Kungoku iliso lam likubonile.

6Ngenxa yoko ndiyazicekisa, ndizohlwaye, Ndiseluthulini naseluthuthwini.

Ukuqukunjelwa kwebali

7Ke kaloku kwathi, emva kokuba uYehova ewathethile la mazwi kuYobhi, wathi
uYehova kuElifazi wakwaTeman, Umsindo wam uyavutha kuwe, nakubamelwane
bakho bobabini; kuba anithethanga nto iyiyo ngam, njengomkhonzi wam uYobhi.

8Ngoku ke zithabatheleni iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe sixhenxe, neenkunzi
zeegusha zibe sixhenxe, niye kumkhonzi wam uYobhi, nizinyusele idini elinyukayo,
uYobhi umkhonzi wam anithandazele. Ndomnonelela yena yedwa, ukuze ndingenzi
kuni ngokobudenge benu; kuba ningathethanga nto iyiyo ngam, njengomkhonzi wam
uYobhi.

9Baya ke ooElifazi wakwaTeman, noBhiledadi wakwaShuwa, noTsofare waseNahama,
benza njengoko wakuthethayo kubo uYehova. Waza uYehova wamnonelela ke
uYobhi.

10UYehova wakubuyisa ukuthinjwa kukaYobhi, akubon' ukuba ubathandazele
oowabo. Wakongeza uYehova konke awayenako uYobhi, kwada kwaphindwa kabini.

11Beza kuye bonke abazalwana bakhe, noodade babo bonke, nabo bonke
ababesazana naye ngenxa engaphambili, badla naye ukutya endlwini yakhe,
bamkhuza, bamthuthuzela ngenxa yobubi bonke, abemfikisele bona uYehova;
bamnika elowo ikhulu lemali, elowo ijikazi legolide.

12UYehova wakusikelela ukuphela kukaYobhi ngaphezu kokuqala kwakhe; waba
neshumi elinesiné lamawaka empahla emfutshane, nesithandathu samawaka
eenkamela, newaka lezibini zeenkomo, newaka leemazi zamaesile.

13Waba noonyana abasixhenxe, neentombi ezintathu. Igama leyokuqala kwathiwa
nguJemima,

14igama leyesibini nguKetsiya, igama leyesithathu nguKeren-hapuki.

15Akwafumaneka mankazana mahle njengeentombi zikaYobhi ezweni lonke. Uyise
wazinika amafa phakathi kwabanakwazo.

16Emveni koko, uYobhi wadla ubomi iminyaka elikhulu elinamanci mané, wabona
oonyana bakhe, noonyana boonyana bakhe, izizukulwana zaziné.

17Wafa ke uYehobi, eyindoda enkulu, ephelele ebudaleni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IiNdumiso

IiNdumiso 1

Ukuthelekiswa kwamalungisa nabangendawo

1Hayi, uyolo lomntu ongahambiyo ngecebo labangendawo, Ongemiyo endleleni yaboni, Ongahlaliyo embuthweni yabagxeki!

2Yena unonelela umyalelo kaYehova; Ucamanga ngomyalelo wakhe imini nobusuku:

3Unjengomthi omiliselwe phezu kwemijelo yamanzi, Onika isiqhamo sawo ngexesha lawo, Ogqabi lawo lingabuniyo; Konke akwenzayo kophumelela.

4Àbanjalo abangendawo; Bòna banjengomququ ophetshethwa ngumoya.

5Ngenxa yoko abangendawo abanakuma emgwebeni, Naboni ebandleni lamalungisa.

6Ngokuba uYehova uyayazi indlela yamalungisa; Ke yona indlela yabangendawo iya kudaka.

IiNdumiso 2

Ulawulo loMthanjiswa kaYehova

1Yini na ukuba iintlanga zenze imbuthumbuthu, Izizwe zicamange into engeyakonto?

2OoKumkani behlabathi bazimisile, Izidwangube zabhunga NgoYehova nangoMthanjiswa wakhe;

3Besithi, Masiziqhawule iimbophelelo zabo, Sizilahle izintya zabo kuthi.

4Ohleli emazulwini úyahleka, INkosi iyabagculela.

5Iya kwandula ithethe kubo ngomsindo wayo, Ibakhwankqise ngokuvutha kwayo.

6Ithi, Mna ke ndimmisile ukumkani wam Phezu kweZiyon, intaba yam engcwele.

7Athi yena, Ndiya kuwuvakalisa ummiselo: UYehova uthe kum, ÙnguNyana wam wena; Mna namhla ndikuzele.

8Cela kum, ndikuníke iintlanga zibe lilifa lakho, Iziphelo zehlabathi zibe zezakho.

9Ùya kuzivikiva ngentonga yentsimbi, Uzihlekeze, zinge zizitya zodongwe.

10Ngoko ke, nina bokumkani, qiqani; Bagwebi basehlabathini, yalekani.

11Mkhonzeni uYehova nisoyika, Gcobani nithuthumela.

12Mangeni uNyana, hleze aqumbe, nitshabalale endleleni, Ngokuba ungáhle uvuthe umsindo wakhe. Hayi, uyolo lwabo bonke abazímela ngaye!

IiNdumiso 3

Umthandazo wakusasa wokukholosa ngoYehova

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umhobe kaDavide, ekubalekeni kwakhe kuAbhisalom unyana wakhe.

1Yehova, hayi, ukuba baninzi kwabandibandezelayo! Baninzi abasukela phezulu kum.

2Baninzi abathi kumphefumlo wam, Akunalusindiso kuThixo. *(Phakamisani.)*

3Ke wena, Yehova, uyingweletshetshe kum, Uluzuko lwam, umphakamisi wentloko yam.

4Ndidanduluka kuYehova ngezwi lam, Andiphendule entabeni yakhe engcwele. *(Phakamisani.)*

5Ndalala phantsi, ndalala ubuthongo; Ndavuka, ngokuba uYehova endixhasa.

6Andizoyiki izigidi zabantu Abakhe uluhlu lokulwa ngeenxa zonke kum.

7Khawusuk' ume, Yehova; ndísindise, Thixo wam; Ngokuba ùzibetha zonke iintshaba zam emhlathini; Amazinyo abangendawo ùyawaphula.

8Usindiso lolukaYehova: Mayibe phezu kwabantu bakho intsikelelo yakho. *(Phakamisani.)*

IiNdumiso 4

Umthandazo wangokuhlwa wovuyo noxolo

Kumongameli wokubethelwa izinto ezineentambo. Umhobe kaDavide.

1Ekudandulukeni kwam ndíphendule, Thixo wobulungisa bam; Embandezelweni yam wandenzela indawo ebanzi; Ndíbabale, uwuve umthandazo wam.

2Nina, nyana babantu, kunini na uzuko lwam niluhlazisa, Ningxamele into engeyakonto, nithanda amanga? ***(Phakamisani.)***

3Yazini ke ukuba uYehova uzibalulele owenceba; UYehova uyaphulaphula ndakudanduluka kuye.

4Qumbani, ningoni; Thethani neentliziyo zenu ezinkukweni zenu, nithi cwaka. ***(Phakamisani.)***

5Bingelelani imibingelelo yobulungisa, Nikholose ngoYehova.

6Baninzi abathi, Ngubani na owosibonisa okulungileyo? Síphakamisele ukukhanya kobuso bakho, Yehova.

7Ùyivuyisile intliziyo yam, Kunexesha lobuninzi bengqolowa yabo, newayini yabo entsha.

8Ndiya kulala phantsi, ndilale ubuthongo kwangoku, ndíxolile, Ngokuba wena, Yehova, undihlalisa ndíkholosile, noko ndindedwa.

IiNdumiso 5

Umthandazo wokukhuselwa ezintshabeni

© 1975 Bible Society of South Africa.

Kumongameli: ngogwali. Umhobe kaDavide.

[1]Wabekele indlebe amazwi am, Yehova, Kúqonde ukucamanga kwam.

[2]Libázele indlebe izwi lokuzibika kwam, Kumkani wam, Thixo wam; Ngokuba ndithandaza kuwe.

[3]Yehova, ùya kuliva izwi lam kwakusasa, Kwakusasa ndiya kuwusingisa kuwe umthandazo wam, ndibonisele.

[4]Ngokuba wena akunguThixo onanze okungendawo, Akanakuphambukela kuwe onobubi.

[5]Abanakuma abaqhayisi phambi kwamehlo akho; Ùyabathiya bonke abasebenzi bobutshinga.

[6]Ùyabatshabalalisa abathetha amanga; Indoda enegazi nenkohliso ilisikizi kuYehova.

[7]Ke mna, ndinokungena endlwini yakho ngenceba yakho eninzi, Ndiqubude, ndibhekise etempileni yakho engcwele ngokukoyika.

[8]Yehova, ndíkhaphe ngobulungisa bakho ngenxa yabandilaleleyo; Yilungelelanise indlela yakho phambi kwam.

[9]Ngokuba emlonyeni wabo akukho nto imiyo, Umbilini wabo ngumeyeliselo; Lingcwaba elivuliweyo umqala wabo; Bathetha okugudileyo ngolwimi lwabo.

[10]Báthwalise ityala, Thixo; Makatshitshe amaqhinga abo; Elukreqweni lwabo oluninzi bátyhale, Ngokuba bakuphikisile.

[11]Mabavuye bonke abazímela ngawe, Bamemelele ngonaphakade, ubakhusele; Badlamke ngawe abalithandayo igama lakho.

[12]Ngokuba wena uyalisikelela ilungisa, Yehova, Ùlihlanganisele ngenkoliseko njengekhaka.

IiNdumiso 6

Umthandazo wokucela inceba engxakini

Kumongameli wokubethelwa izinto ezineentambo: ngelamadoda ilizwi. Umhobe kaDavide.

[1]Yehova, musa ukundohlwaya únomsindo, Ungandithethisi únobushushu.

[2]Ndíbabale, Yehova, ngokuba ndintshwenyile; Ndíphilise, Yehova, ngokuba ekhwankqisiwe amathambo am.

[3]Umphefumlo wam ukhwankqiswe kakhulu; Ke wena, Yehova, koda kube nini na?

[4]Buya, Yehova, uwuhlangule umphefumlo wam; Ndísindise ngenxa yenceba yakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ngokuba ekufeni akusekho kukukhumbula; Kwelabafileyo ngubani na osenokubulela kuwe?

6Ndidiniwe kukugcuma kwam; Ndiludadisa ubusuku bonke ukhuko lwam, Ndiwenza manzi umandlalo wam ngeenyembezi zam.

7Lonakele kukukhathazeka iliso lam; Laluphele ngenxa yababandezeli bam bonke.

8Sukani kum, nina nonke basebenzi bobutshinga; Ngokuba uYehova ulivile ilizwi lokulila kwam.

9Ukuvile uYehova ukutarhuzisa kwam; UYehova umthandazo wam uyawamkela.

10Ziya kudana, zikhwankqe kakhulu, zonke iintshaba zam; Ziya kubuyiswa zidanile ngephanyazo.

IiNdumiso 7

Umthandazo wokucela ukugwetywa kwabangendawo

Ishigayon kaDavide, awayivumayo kuYehova ngenxa yamazwi kaKushi, umBhenjamin.

1Yehova, Thixo wam, ndizímela ngawe; Ndísindise kubo bonke abandisukelayo, undihlangule,

2Hleze bawuqwenge njengengonyama umphefumlo wam, Bawudlavule, kungekho mhlanguli.

3Yehova, Thixo wam, ukuba ndithe ndenza oku, Ukuba kukho ubugqwetha ezandleni zam,

4Ukuba ndimphethe kakubi obexolelene nam, Ndambhunyula ondibandezele kungekho sizathu:

5Maluwusukele utshaba umphefumlo wam, luwufumane, Lubunyashele phantsi ubomi bam, Uzuko lwam lululalise eluthulini. *(Phakamisani.)*

6Khawusuk' ume, Yehova, únomsindo, Kuphakamele ukuphuphuma komsindo wabandibandezelayo; Uvuke, undikhawulele; wena umisé umgwebo.

7Ibandla lezizwe malikungqonge; Ubuyèle phezulu phezu kwalo.

8UYehova uya kugweba phakathi kwezizwe. Lithethe ityala lam, Yehova, ngobulungisa bam, nangokugqibelela kwam okukum.

9Mabuphele ububi babangendawo, ulizimase ilungisa; Ùngumcikidi weentliziyo nezintso, Thixo wobulungisa.

10Ingweletshetshe yam inoThixo, Umsindisi wabantliziyo zithe tye.

11UThixo ngumgwebi olilungisa; ÚnguThixo obhavuma yonke imihla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ukuba ongendawo uthe akabuya, ulilolile ikrele lakhe; Úsityedile isaphetha sakhe, wasilungisa.

13Uzibhekisé kuye izixhobo zokufa, Uzenzé zanomlilo iintolo zakhe.

14Yabona, yena unenimba yobutshinga; Ukhawulé ububi, wazala ubuxoki;

15Umbé umhadi, wawugomba; Weyela esihogweni awasisebenzayo.

16Ububi bakhe bobuyela entlokweni yakhe, Naselukakayini lwakhe kufike ukugonyamela kwakhe.

17Ndiya kubulela kuYehova ngokobulungisa bakhe, Ndivume ngendumiso kwigama likaYehova ophezu konke.

IiNdumiso 8

Ubungangamsha bukaThixo nokuxabiseka komntu

Kumongameli: ngolwaseGati. Umhobe kaDavide.

1Yehova, Nkosi yethu, Hayi, ubungangamsha begama lakho ehlabathini lonke! Wena uwambathise amazulu ngendili yakho.

2Emlonyeni wabantwana nabanyáyo useké amandla, Ngenxa yababandezeli bakho, Ukuze udambise utshaba nophindezelayo.

3Xa ndilikhangelayo izulu lakho, umsebenzi weminwe yakho, Inyanga neenkwenkwezi ozimisileyo:

4Uyintoni na umntu lo, le nto umkhumbulelayo? Unyana womntu, le nto umvelelayo?

5Umsilelise kancinane ebuThixweni, Wamthi jize ngobuqaqawuli nangobungangamela.

6Umphathisé ubukhosi phezu kwemisebenzi yezandla zakho, Zonke izinto ùzibeke phantsi kweenyawo zakhe:

7Impahla emfutshane, neenkomo zonke ziphelele, Kwaneenyamakazi zonke;

8Iintaka zezulu, neentlanzi zolwandle, Into ehamba ngeendlela zolwandle.

9Yehova, Nkosi yethu, Hayi, ubungangamsha begama lakho ehlabathini lonke!

IiNdumiso 9

Imigwebo yobulungisa kaThixo

Kumongameli: ngemute-labhen. Umhobe kaDavide.

1Ndiya kubulela kuYehova ngentliziyo yam yonke; Ndiya kuyibalisa yonke imisebenzi yakho ebalulekileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ndiya kuvuya ndidlamke ngawe; Ndiya kulibethela uhadi igama lakho, Wena usenyangweni.

3Ekubuyeni kweentshaba zam umva, Ziyawa, zibhubhe ebusweni bakho.

4Ngokuba ùlifezile ityala lam nebango lam; Ùhleli etroneni ungumgwebi olilungisa.

5Ùzikhalimele iintlanga, wabatshabalalisa abangendawo; Igama lazo ùlicimile ngonaphakade kanaphakade.

6Iintshaba zona zigqibele, yangamanxuwa kwaphela; Imizi ùyinyothule, Yadaka inkumbulo yayo yona.

7Ke yena uYehova uhleli ngonaphakade, Uyizinzisele ugwebo itrone yakhe.

8Úya kugweba yena kwelimiweyo ngobulungisa, Agwebe phakathi kwezizwe ngokuthe tye.

9UYehova makabe yingxonde kotyunyuziweyo, Ingxonde ngamaxesha engxingongo;

10Bakholòse ngawe abalaziyo igama lakho; Ngokuba akubashiyanga abakuquqelayo wena, Yehova.

11Vumani ngendumiso kuYehova ohlala eZiyon; Xelani ezizweni izenzo zakhe ezincamisileyo;

12Ukuba umphindezeli wamagazi ubakhumbule, Akakulibalanga ukukhala kwabalulamileyo.

13Ndíbabale, Yehova; Zíbone iintsizi zam ezikhoyo ngabandithiyayo, Mphakamisi wam emasangweni okufa;

14Ukuze ndibalise yonke indumiso yakho, Emasangweni entombi uZiyon, Ndigcobe ngosindiso lwakho.

15Iintlanga zitshoné esihogweni ezasenzayo, Emnatheni ezawugqumelayo kubanjiswe kwaolwazo unyawo.

16Úzazisile uYehova; wenza umgwebo, Emthiyela ngomsebenzi wezandla zakhe ongendawo. *(Bethani uhadi ngofefe. Phakamisani.)*

17Baya kubuyela kwelabafileyo abangendawo, Kwaiintlanga zonke ezimlibalayo uThixo;

18Ngokuba aliyi kuhlala lilityalwa ihlwempu, Ithemba leentsizana aliyi kudaka ngonaphakade.

19Khawusuk' ume, Yehova; malungàngcwangushi uluntu, Mazigwetywe iintlanga phambi kwakho,

20Zimisele ukoyika, Yehova, Zazi iintlanga ukuba zililuntu kuphela. *(Phakamisani.)*

© 1975 Bible Society of South Africa.

IiNdumiso 10

Umthandazo wokucela umgwebo kaThixo phezu kongendawo

1Yini na ukuba umele mgama, Yehova, Uzifihle ngamaxesha engxingongo?

2Ngokukratsha kwabangendawo bayatsha abaziintsizana; Babanjiswa ngamayelenqe abawacingileyo.

3Ngokuba ongendawo uyaqhayisa ngeminqweno yomphefumlo wakhe. Nolibawa wahlukene noYehova, wamgiba.

4Ongendawo ngobuchi bakhe uthi, Akasayi kubuza. Yonke iminkqangiyelo yakhe ithi, Akukho Thixo.

5Ziqinile iindlela zakhe ngamaxesha onke; Ziphakamile izigwebo zakho, zikude kuye; Bonke ababandezeli bakhe úyabafuthela.

6Úthi entliziyweni yakhe, Andisayi kushukunyiswa; Izizukulwana ngezizukulwana, ndingongayi kuba sebubini.

7Umlomo wakhe uzele kukushwabula nokukhohlisa nokuxinezela. Ngaphantsi kolwimi lwakhe bububi nobutshinga.

8Uhlala emilaleleni yeengqili, Agwinte omsulwa entsithelweni; Amehlo akhe azonda oludwayi.

9Úlalela entsithelweni njengengonyama eludadeni wayo; Ulalela ukuba axwile emke nosizana; Uxwila emke nolusizana, elutsala ngomnatha wakhe.

10Uyabuthuma, uyabunguzela, Bawele ezinzitsheni zakhe abaziindwayi.

11Úthi entliziyweni yakhe, UThixo ulibele, Ubusithelisile ubuso bakhe, akabonanga nento.

12Khawusuk' ume, Yehova, phakamisa isandla sakho, Thixo. Musa ukubalibala abalulamileyo.

13Kungenxa yani na ukuba ongendawo amgibe uThixo, Athi entliziyweni yakhe, Akuyi kubuza?

14Ùbonile wena; ngokuba uyabubona ububi nenkathazo, ubùbeke esandleni sakho; Úzinikela kuwe oludwayi; Ùngumncedi weenkedama wena.

15Yaphula ingalo yongendawo; Onobubi, mbuze okungendawo kwakhe, kungasali nento.

16UYehova nguKumkani ngonaphakade kanaphakade; Zitshabalele iintlanga, azabakho ehlabathini lakhe.

17Umnqweno wabalulamileyo uwuvile, Yehova; Wazizimasa iintliziyo zabo, wayibaza indlebe yakho,

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ukuba ugwebe ityala lenkedama noxinzelelweyo, Angabi sabangcangcazelisa umntu wasehlabathini.

IiNdumiso 11

Ilungisa lizímela ngoYehova

Kumongameli. EkaDavide.

1Ndizímela ngoYehova; Ningáthini na ukuthi kumphefumlo wam, Balekela entabeni yakho njengentaka?

2Ngokuba nâbó abangendawo begoba isaphetha, Bezilungisile iintolo zabo entanjeni, Ukuba batole besithele kwabantliziyo zithe tye.

3Xa iziseko zithe zagungxulwa, Ilungisa linokuthini na?

4UYehova, ulotempile yakhe iyingcwele, UYehova, ulotrone yakhe isemazulwini, Amehlo akhe ayababona, iinkophe zakhe ziyabacikida oonyana babantu.

5UYehova uyalicikida ilungisa; Ke yena ongendawo nothanda ukugonyamela, úmthiyile umphefumlo wakhe.

6Úya kubanisela abangendawo imigibe; Umlilo, nesulfure, nomoya olulophu, yindebe yabo abayabelweyo;

7Ngokuba lilungisa uYehova; uthanda imisebenzi yobulungisa; Othe tye uya kububona ubuso bakhe.

IiNdumiso 12

Umthandazo wokucela uncedo lukaThixo ngenxa yobutshijolo

Kumongameli: ngelamadoda ilizwi. Umhobe kaDavide.

1Sindisa, Yehova, ngokuba úphelile owenceba, Ngokuba bathe shwaka abanyanisileyo koonyana babantu.

2Bathetha inkohlakalo omnye nomnye; Bathetha ngomlomo ogudileyo, nangentliziyo embaxa.

3Ngamana uYehova angáyinqumla yonke imilebe yomlomo ogudileyo, Ulwimi oluthetha izinto ezinkulu;

4Ábathe, Ulwimi lwethu siyalupheza; Imilomo yethu yeyethu; ngubani na oyinkosi kuthi?

5Ngenxa yokubhuqwa kweentsizana, ngenxa yokuncwina kwamahlwempu, Ndiya kusuka ndime ngoku, utsho uYehova; Ndiya kumbeka elusindisweni lowo ululangazelelayo.

6Amazwi kaYehova ngamazwi acocekileyo, Yisilivere enyibilikiselwe eziko, yéla emhlabeni, Ehluzwe kasixhenxe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Wena, Yehova, uya kubagcina, Ùya kubalondoloza kwesi sizukulwana ngonaphakade.

8Abangendawo bahambahamba ngeenxa zonke, Xa kuphakanyiswe abangeni phakathi koonyana babantu.

IiNdumiso 13

Umthandazo engxakini

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Kunini na, Yehova, undilibele kwaphela? Kunini na ubusithelisa ubuso bakho kum?

2Kunini na ndicebacebisana nomphefumlo wam, Ndinesingqala entliziyweni yam imini le? Kunini na lundiphakamele utshaba lwam?

3Bheka undiphendule, Yehova, Thixo wam; Khanyisa amehlo am, hleze ndilale ukufa;

4Hleze utshaba lwam luthi, Ndimeyisile; Bagcobe abandibandezelàyo, xa ndithe ndashukunyiswa.

5Mna ndikholosé ngenceba yakho, Mayigcobe intliziyo yam ngosindiso lwakho.

6Ndiya kuvuma kuYehova, Ngokuba endiphethe kakuhle.

IiNdumiso 14

Ubudenge babantu nenkohlakalo yabo

Kumongameli. EkaDavide.

1Sithi isidenge entliziyweni yaso, Akukho Thixo. Bonákalisile, balisikizi ngeentlondi zabo; Akukho wenza okulungileyo.

2UYehova esemazulwini uqondele koonyana babantu, Ukubona ukuba ukho na oqiqayo, Oquqela kuThixo.

3Bonke batyekile, bayimbozisa bephelele; Akukho wenza okulungileyo, Akukho nokuba abe mnye.

4Àbanakwazi na bonke abasebenzi bobutshinga, Àbathi, bebadla abantu bam, bathi badla isonka, Bangamnquli uYehova?

5Apho bankwantya benkwantyile; Ngokuba uThixo usesizukulwaneni samalungisa.

6Icebo losizana ningálidanisa, Kodwa uYehova ulihlathi lalo.

7Akwaba bekuvela eZiyon ukusindiswa kwamaSirayeli! Ekubabuyiseni kukaYehova abantu bakhe ekuthinjweni, Wogcoba uYakobi, avuye uSirayeli.

IiNdumiso 15

Umhlali entabeni engcwele kaThixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umhobe kaDavide.

1Yehova, ngubani na owophambukela ententeni yakho? Ngubani na owohlala entabeni yakho engcwele?

2Ngohamba ngokugqibeleleyo, esenza ubulungisa, Othetha inyaniso ngentliziyo yakhe.

3Ngongàhlebiyo ngolwimi lwakhe, Ongamenziyo into embi uwabo, Ongamngcikiviyo ummelwane wakhe;

4Odelekileyo, ecekiseka, kwawakhe amehlo, Obazukisayo ke bona abamoyikayo uYehova; Ofunga, angajiki, nokuba kubi kuye,

5Ongayinikeliyo imali yakhe ukuba adle abantu ngayo, Ongenakugaqelwa ngaye omsulwa. Okwenzayo oko akayi kuza ashukunyiswe naphakade.

IiNdumiso 16

UThixo uyintloko yokulungileyo ebomini

Eyona iligugu likaDavide.

1Ndígcine, Thixo, ngokuba ndizímela ngawe.

2Ndithé kuYehova, ÙyiNkosi yam, Andinanto indilungeleyo ngaphezu kwakho.

3Ndithe kwabangcwele abasehlabathini, Bòna bazizinhanha apho, kukhona konke endikunanzileyo.

4Ziya kwanda iimbulaleko zâbo bamananisa ngathixo wumbi uYehova. Andiyi kuyithulula iminikelo yabo ethululwayo yegazi; Andiyi kuwaphatha amagama abo ngomlomo wam.

5NguYehova isahlulo endasabelwáyo, nendebe endayabelwáyo; Ùlenzé banzi ilifa lam.

6Amacandelo andiwele ezindaweni ezimnandi; Hee! Ndide ndaba nelifa elihle.

7Ndiya kumbonga uYehova ondinike icebo; Nasebusuku ziyandithethisa izintso zam.

8Ndimmisile uYehova phambi kwam amaxesha onke; Ngokuba esekunene kum nje, andiyi kushukunyiswa.

9Ngako oko iyavuya intliziyo yam, luyagcoba uzuko lwam: Nenyama yam iya kuhlala ikholosile.

10Ngokuba akuyi kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo; Akuyi kumyekela owakho wenceba ukuba abonane nesihogo.

11Ùya kundazisa umendo wobomi; Ebusweni bakho yinzaliseko yemivuyo; Ekunene kwakho yimihlali ngonaphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IiNdumiso 17

Umthandazo welungisa wokuba lihlangulwe kubabandezeli balo

Umthandazo kaDavide.

1Búve, Yehova, ubulungisa; kubázele indlebe ukuhlahlamba kwam; Wubekele indlebe umthandazo wam, ongengamlomo ukhohlisayo.

2Ibango lam malivele ebusweni bakho, Amehlo akho akhangele ngokuthe tye.

3Ùyicikidile intliziyo yam; undivelele ebusuku; Ùndinyibilikisile, akwafumana nto; Ndíyinkqangiyele into embi, ayiyi kuwugqitha umlomo wam.

4Malunga nemisebenzi yabantu, ngelizwi lomlomo wakho, Mna ndizigcinile, andangena kwiindlela zamanyangaza.

5Imikhondo yam ibambe iindlela zakho, Azashukuma iinyawo zam.

6Mna ndinqula wena, ngokuba undiphendula, Thixo; Ndíthobele indlebe yakho, kúve ukuthetha kwam.

7Zibalule iinceba zakho, wena wabasindisayo abazímela ngawe, Ngesandla sakho sokunene, ngenxa yabasukela phezulu kubo.

8Ndígcine njengeliso, njengokhozo lwalo, Ndísithelise ngesithunzi samaphiko akho,

9Phambi kwabangendawo abandibhuqayo, Phambi kweentshaba zam ngokwasemphefumlweni ezindingungelayo.

10Zithe fithi kukutyeba; Ngomlomo wazo zithetha ngekratshi.

11Zindijikelezile ngoku ekuhambeni kwam; Amehlo azo ziwamisele ukundinqumela emhlabeni.

12Ukufana kwazo kunjengengonyama engxamele ukuqwenga, Kunjengengonyama entsha ihleli entsithelweni.

13Khawusuk' ume, Yehova, Uyihlangabeze, uyiwise yona; Wusindise umphefumlo wam kongendawo ngekrele lakho;

14Kubafo, ngesandla sakho, Yehova, Kubafo beli phakade, abasahlulo sikobu bomi; Osizalisileyo isisu sabo ngeengqwebo zakho; Bakholisile ngoonyana, Ukuphuphuma kwabo bakushiya neentsapho zabo.

15Mna ndiya kububona ubuso bakho ndisebulungiseni; Ndiya kwaneliswa sisithomo sakho ekuvukeni kwam.

IiNdumiso 18

UYehova ubongwa ngenxa yentlangulo

© 1975 Bible Society of South Africa.

Kumongameli. Eyomkhonzi kaYehova. EkaDavide, owawathethayo kuYehova amazwi ale ngoma, mhlenikweni uYehova wamhlanguláyo esandleni seentshaba zakhe zonke nasesandleni sikaSawule; wathi:

1Ndikuthanda ngembilini yam, Yehova, lomelelo lwam.

2Yehova, ngxondorha yam, mboniselo yam, msindisi wam, Thixo wam, liwa lam endizímela ngalo, Ngweletshetshe yam, luphondo losindiso lwam, ngxonde yam!

3Ndinqula uYehova ongowokudunyiswa, Ndiyasindiswa ezintshabeni zam.

4Izintya zokufa zandijikela; Imilambo yobutshijolo yandidandathekisa.

5Izintya zelabafileyo zandibhijela; Izirhintyelo zokufa zabetha kum.

6Ekubandezelekeni kwam ndanqula uYehova, Ndazibika kuThixo wam; Waliva etempileni yakhe izwi lam, Ukuzibika kwam kwafika phambi kwakhe ezindlebeni zakhe.

7Lahexa ke lanyikima ihlabathi, Iziseko zeentaba zagungqa, Zahexa, ngokuba enomsindo.

8Kwathi thaphu umsi emathatheni akhe, Wadla umlilo, uphuma emlonyeni wakhe, Kwavutha amalahle ephuma kuwo.

9Wawathoba amazulu, wehla, Yangamafu amnyama phantsi kweenyawo zakhe.

10Wakhwela ekerubhini, waphaphazela, Wee tshwebelele ngamaphiko omoya.

11Wamisa ubumnyama baba lisithe lakhe, umnquba wakhe ngeenxa zonke kuye; Ubumnyama bamanzi, iingqimba zamafu.

12Ekukhanyeni okuphambi kwakhe, kwatyhoboza emafini akhe Isiphango samatye, namalahle omlilo.

13Wadudumisa ezulwini uYehova, Ophezu konke walikhupha ilizwi lakhe. Yasisiphango samatye namalahle omlilo.

14Wathuma iintolo zakhe, wabaphangalalisa; Yamininzi imibane, wabadubaduba.

15Imiphantsi yamanzi yabonakala, Kwatyhileka iziseko zelimiweyo Ngokukhalima kwakho, Yehova, Ngokufutha komoya womsindo wakho.

16Wolula isandla ephezulu, wandibamba, Wandirhola emanzini amaninzi.

17Wandihlangula elutshabeni lwam olunamandla, Kwabandithiyileyo, ngokuba bebomelele kunam.

18Bandifikela ngemini yokusindeka kwam, UYehova wandixhasa.

19Wandikhuphela endaweni ebanzi, Wandihlangula, ngokuba endithandile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20UYehova wandiphatha kakuhle ngokobulungisa bam, Wandibuyisela ngokobunyulu bezandla zam.

21Ngokuba ndizigcina iindlela zikaYehova, Andemka ngokungendawo kuThixo wam.

22Ngokuba onke amasiko akhe aphambi kwam, Nemimiselo yakhe andiyisusi kum;

23Ndaye ndingogqibeleleyo kuye, Ndazigcina, andaba nabugwenxa,

24Wandibuyisela ke uYehova ngokobulungisa bam, Ngokobunyulu bezandla zam phambi kwamehlo akhe.

25Kowenceba ùzenza owenceba, Kwigorha eligqibeleleyo uzenza ogqibeleleyo;

26Kozenze nyulu uzenza onyulu, Kojibilizayo uzenza onobuqhokolo.

27Ngokuba wena uyabasindisa abantu ababandezelekileyo, Uwathobe amehlo aqwayingileyo.

28Ngokuba ùyasilumeka isibane sam wena; UYehova uThixo wam uyabukhanyisela ubumnyama bam.

29Ngokuba ngawe ndigila amajarha, NgoThixo wam ndiqabela ezindongeni.

30UThixo yena, igqibelele indlela yakhe; Ilizwi likaYehova linyibilikisiwe, Úyingweletshetshe kubo bonke abazimela ngaye.

31Ngokuba ngubani na onguThixo, ingenguye uYehova? Ngubani na oliliwa, ingenguThixo wethu?

32UloThixo undibhinqise ubukroti, Uyigqibelelisileyo indlela yam;

33Uzifanisayo iinyawo zam nezamaxhamakazi, Undimisayo emimangweni yam;

34Uzifundisayo ukulwa izandla zam, Zityede isaphetha sobhedu iingalo zam.

35Undinikileyo ingweletshetshe yosindiso lwakho; Sandixhasa isandla sakho sokunene; Ululamo lwakho lwandikhulisa.

36Wawenzela indawo ebanzi amanyathela am phantsi kwam, Amaxhwele am akahexa.

37Ndazisukela iintshaba zam, ndazifumana; Andabuya zada zaphela.

38Ndaziqoba; azaba nakuvuka, Zawa phantsi kweenyawo zam.

39Wandibhinqisa ubukroti ekulweni, Wabaguqisa phantsi kwam abasukela phezulu kum;

40Wandinika ikhosi leentshaba zam, Abandithiyayo ndababhangisa.

41Bazibika, akwabakho msindisi; Bazibika kuYehova, akabaphendula.

42Ndabacola, banjengothuli phambi komoya, Ndabaphalaza njengodaka lwezitrato.

© 1975 Bible Society of South Africa.

43Wandisiza ekubambaneni kwabantu, Wandimisa ndayintloko yeentlanga; Abantu ebe ndingabazi bandikhonza.

44Besave ngeendlebe, bandithobela, Oonyana bolunye uhlanga bahanahanisa kum;

45Oonyana bolunye uhlanga bantshwenya, Baphuma bengcangcazela ekuvingcelweni kwabo.

46UYehova uhleli; lelokubongwa iliwa lam, Aphakanyìswe uThixo ondisindisayo.

47UloThixo wandinika impindezelo, Uzikhandaniselayo izizwe phantsi kwam;

48Úndisiza ezintshabeni zam; Ewe, wena undiphakamisayo kwabasukela phezulu kum, Undihlàngule kumfo ogonyamelayo.

49Ngenxa yoko ndiya kubulela kuwe, Yehova, phakathi kweentlanga, Ndivume kwigama lakho.

50Ulokhulisa iintsindiso zokumkani wakhe; Wenzayo inceba kumthanjiswa wakhe, KuDavide, nakwimbewu yakhe kude kuse ephakadeni.

IiNdumiso 19

Uzuko lukaThixo njengokuba lubonakala kwindalo nasemthethweni

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Izulu libalisa uzuko lukaThixo, Saye isibhakabhaka sixela umsebenzi wezandla zakhe.

2Imini impompozelela imini intetho, Ubusuku buxelela ubusuku ukwazi.

3Akukho ntetho, akukho mazwi, Apho singavakaliyo isandi sawo.

4Intambo yawo yokulinganisa iphume yaya ehlabathini lonke, Kwaba seziphelweni zelimiweyo ukukhuluma kwawo. Ilanga úlimisele intente kuwo,

5Lona linjengomyeni ke ephuma egumbini lakhe; Linemihlali njengegorha, ukugidima ngomendo walo.

6Kusesiphelweni sezulu ukuphuma kwalo, Ukujikeleza kwalo kusa eziphelweni zalo; Akukho nto inokusithela ebushushwini balo.

7Umyalelo kaYehova ugqibelele, ubuyisa umphefumlo; Isingqino sikaYehova sinyanisekile, sinika isiyatha ubulumko.

8Izimiselo zikaYehova zithe tye, zivuyisa intliziyo; Umthetho kaYehova unyulu, ukhanyisela amehlo.

9Ukoyika uYehova kucocekile, kumi ngonaphakade; Izigwebo zikaYehova ziyinyaniso, zibubulungisa kwaphela.

10Zinokunqweneleka kunegolide zona, nakunengcwengiweyo eninzi; Zimnandi kunobusi, kunencindi yobusi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Zikwamkhanyisela umkhonzi wakho; Ekuzigcineni mkhulu umvuzo.

12Ukulahleka, ngubani na okuqondayo? Ndénze msulwa kokusitheleyo.

13Kwanasekukhukhumaleni mnqande umkhonzi wakho; Makungandilawuli; ukuze ndandule ukuba ngogqibeleleyo, Ndibe msulwa ekukreqeni okukhulu.

14Makakholeke amazwi omlomo wam, nezicamango zentliziyo yam, Phambi kwakho, Yehova, liwa lam, mkhululi wam.

IiNdumiso 20

Umthandazo wokucela uloyiso

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Ngamana wakuphendula uYehova ngemini yembandezelo, Ngamana lakúsa engxondeni igama likaThixo kaYakobi!

2Wakúthumela uncedo lwasengcweleni, Wakúxhasa eseZiyon!

3Wayikhumbula yonke iminikelo yakho yokudla, Wawafumana etyebile amadini akho anyukayo! ***(Phakamisani.)***

4Wakunika ngokwentliziyo yakho, Walizalisa lonke icebo lakho!

5Singámemelela ngosindiso lwakho, Siphakamìse iibhanile zethu egameni loThixo wethu; Azizalise uYehova zonke izicelo zakho.

6Ndiyazi ngoku ukuba uYehova ngumsindisi womthanjiswa wakhe; Úya kumphendula emazulwini akhe angcwele Ngobugorha obusindisayo besandla sakhe sokunene.

7Abanye bakhankanya iinqwelo zokulwa, abanye bakhankanye amahashe, Ke thina sikhankanya igama likaYehova uThixo wethu.

8Bòna baguqile bawa; Thina siphakamile sema.

9Yehova, sindisa; Ukumkani asiphendule ngemini yokubiza kwethu.

IiNdumiso 21

Umbulelo ngenxa yoloyiso

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Yehova, úvuyile ngamandla akho ukumkani, Asikuko nokuba úyacoba ngosindiso lwakho!

2Ùmniké umnqweno wentliziyo yakhe, Akwasilandula isicelo somlomo wakhe. *(Phakamisani.)*

3Ngokuba umkhawulela ngeentsikelelo zokulungileyo, Umthwesa isithsaba segolide engcwengekileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wacela ubomi kuwe, wampha, Wamnika imihla emide ngonaphakade kanaphakade.

5Lukhulu uzuko lwakhe ngosindiso lwakho; Ùbeka phezu kwakhe indili nobungangamela.

6Ngokuba umenze waba yintsikelelo ngonaphakade, Ùmvuyisa ngovuyo ebusweni bakho.

7Ngokuba ukumkani ukholose ngoYehova, Ngenceba yOsenyangweni akayi kushukunyiswa.

8Isandla sakho siya kuzifumana zonke iintshaba zakho, Esokunene sakho siya kubafumana abakuthiyayo.

9Ùya kubenza babe njengeziko lomlilo, wakubonakala. UYehova uya kubaginya ngomsindo wakhe, Nomlilo ubadle.

10Ùya kusitshabalalisa isiqhamo sabo emhlabeni, Imbewu yabo koonyana babantu.

11Ngokuba bakuthobela ububi, Bacinga iyelenqe; àbayi kufeza nto.

12Ngokuba ùya kubenza bakunikele umhlana; Ngesaphetha sakho uya kuxuna iintolo zakho ebusweni babo.

13Phakama, Yehova, ngamandla akho; Siya kuvuma sibethe uhadi ngobugorha bakho.

IiNdumiso 22

Isikhalo embandezelweni nengoma yombongo

Kumongameli: ngeyelexhama lesifingo. Umhobe kaDavide.

1Thixo wam, Thixo wam, undilahleleni na? Ùkude ngani na ekusindisweni kwam, nasemazwini okubonga kwam?

2Thixo wam, ndiyabiza emini, ungaphenduli; Nasebusuku ndiyabiza, andithozanyiswa noko.

3Ùngcwele ke wena, Ungulohlala ezindumisweni zakwaSirayeli.

4Oobawo bákholosa ngawe, Bakholosa, wabasiza;

5Bakhala kuwe, basinda; Bakholosa ngawe, àbadana.

6Ke mna ndingumbungu, andimntu; Ndisisingcikivo soluntu, into edelekileyo ebantwini.

7Bonke abandibonayo bayandigculela; Bayasineka, bahlunguzela intloko;

8Bathi, Makazilahlele kuYehova, amsize, Amhlangule kaloku, ngokuba emthandile.

9Ewe, nguwe umtyhobozisi wam esizalweni, Inkolosisi yam ndisemabeleni kama.

10Ndalahlelwa kuwe kwasesizalweni; Kwasembilinini kama ubunguThixo wam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Musa ukuba kude nam, ngokuba isondele imbandezelo, Ngokuba akukho mncedi.

12Ndingqongwe ziinkunzi ezininzi, Ndihlanganyelwe zeziziimbalasane zaseBhashan.

13Zindakhamele umlomo wazo, Njengengonyama eqwengayo, egqumayo.

14Ndiphalele njengamanzi, Ahlukene onke amathambo am; Yanjengomthwebeba intliziyo yam, Inyibilikile phakathi kwezibilini zam.

15Omile njengegophe amandla am, Ulwimi lwam lunamathele ekhuhlangubeni lam; Undibeka eluthulini lokufa.

16Ngokuba izinja zindirhawule, Ibandla labenzi bokubi lindingungele; Bagqobhoza izandla zam neenyawo zam.

17Ndinokuwabala onke amathambo am; Bòna bayandijonga, bayandibonela,

18Babelana ngeengubo zam, Isambatho sam basenzela amaqashiso.

19Ke wena, Yehova, musa ukuba kude; Mandla am, khawuleza undincede.

20Wuhlangule ekreleni umphefumlo wam, Okuphela kwawo, ethupheni lenja.

21Ndísindise emlonyeni wengonyama, Nasezimpondweni zenqu ùya kundiphendula.

22Ndiya kulazisa igama lakho kubazalwana bam, Ndikudumise phakathi kwebandla, ndithi,

23Nina nimoyikayo uYehova, mdumiseni; Nonke, mbewu kaYakobi, mzukiseni, Nimhlonele nina, mbewu yonke kaSirayeli.

24Kuba azidelekanga, azibanga nazothe kuye iintsizi zolusizana; Akabusithelisanga ubuso bakhe kuye; Ekuzibikeni kwakhe kuye waphulaphula.

25Ivela kuwe indumiso yam ebandleni elikhulu; Nezibhambathiso zam ndiya kuzizalisa phambi kwabamoyikayo.

26Baya kudla abalulamileyo, bahluthe; Baya kudumisa uYehova abamngxamelayo. Ngamana yaphila intliziyo yenu ngonaphakade!

27Ziya kukhumbula zibuyele kuYehova zonke iziphelo zehlabathi, Iqubude phambi kwakhe yonke imizalwane yeentlanga:

28Ngokuba bobukaYehova ubukumkani, Nguye umlawuli ezintlangeni.

29Baya kudla, baqubude, bonke abatyebileyo behlabathi; Baya kuguqa phambi kwakhe bonke abatshona eluthulini, Abangàwugciniyo umphefumlo wabo.

30Imbewu iya kumkhonza; Kuya kubaliselwa isizukulwana ngayo iNkosi.

31Baya kuza baxele ubulungisa bayo Kubantu abaza kuzalwa, ukuba oko ukwenzile.

IiNdumiso 23

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYehova ngumalusi wam

Umhobe kaDavide.

1UYehova ngumalusi wam, andisweli lutho.

2Wénza ukuba mandibuthe emakriweni aluhlaza; Úndithundezela emanzini angawokuphumla.

3Úyawubuyisa umphefumlo wam; Úndikhaphela ezindleleni zobulungisa ngenxa yegama lakhe.

4Nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, Andiyi koyika bubi, ngokuba ùnam wena; Intonga yakho, umsimelelo wakho, uyandithuthuzela.

5Ùndilungisela isithebe phambi kwababandezeli bam, Ùyithambisa ngeoli intloko yam, Indebe yam iyaphalala.

6Inene, ndiya kulandelwa kokulungileyo nenceba Yonke imihla yobomi bam, Ndihlale endlwini kaYehova Imihla emide.

IiNdumiso 24

UYehova uMdali netempile yakhe

Umhobe kaDavide.

1LelikaYehova ihlabathi nenzaliseko yalo, Elimiweyo, nabahleli kulo;

2Ngokuba yena waliseka phezu kweelwandle, Walizinzisa phezu kwemilambo.

3Ngubani na onokunyuka aye entabeni kaYehova? Ngubani na onokuma endaweni yakhe engcwele?

4Ngozandla zimsulwa, ontliziyo inyulu, Ongawuphakamiseli kwinkohlakalo umphefumlo wakhe, Ongafungiyo ngenkohliso.

5Úya kwamkela intsikelelo kuYehova, Nobulungisa kuThixo ongumsindisi wakhe.

6Siso eso isizukulwana sabamngxameleyo, Sababufunayo ubuso bakho, Thixo kaYakobi. ***(Phakamisani.)***

7Phakamisani iintloko zenu, masango; Niziphakamise, minyango yaphakade, Angene uKumkani wozuko.

8Ngubani na ke lo Kumkani wozuko? NguYehova onamandla, oligorha; NguYehova, igorha emfazweni.

9Phakamisani iintloko zenu, masango, Niziphakamise, minyango yaphakade, Angene lo Kumkani wozuko.

10Ngubani na ke yena uKumkani wozuko? NguYehova wemikhosi, Nguye lo Kumkani wozuko. ***(Phakamisani.)***

© 1975 Bible Society of South Africa.

IiNdumiso 25

Umthandazo wokucela ugcino nokuxolelwa

EkaDavide.

1Ndiwuphakamisela kuwe, Yehova, umphefumlo wam.

2Thixo wam, ndikholosé ngawe, Mandingadani; Mazingandivuyeleli iintshaba zam.

3Ewe, bonke abo bakuthembayo abayi kudana; Kuya kudana abo banginiza ngelizé.

4Ndázise iindlela zakho, Yehova, Ndífundise umendo wakho.

5Ndínyathelise enyanisweni yakho, undifundise; Ngokuba ùnguThixo ongumsindisi wam; Ndithembé wena yonke imihla.

6Khumbula iimfesane zakho, Yehova, neenceba zakho; Ngokuba kususela kwaphakade zikho.

7Musa ukuzikhumbula izono zobutsha bam, nokreqo lwam; Ndíkhumbule ngokwenceba yakho wena, Ngenxa yokulunga kwakho, Yehova.

8Úlungile, uthe tye uYehova; Ngenxa yoko úyabayalela indlela aboni.

9Úyabanyathelisa abalulamileyo emasikweni akhe, Abafundise abalulamileyo indlela yakhe.

10Zonke iindlela zikaYehova ziyinceba nenyaniso, Kwabagcina umnqophiso wakhe nezingqino zakhe.

11Ngenxa yegama lakho, Yehova, xolela ubugwenxa bam, Ngokuba bukhulu bona.

12Ngubani na ke umntu omoyikayo uYehova? Wómyalela indlela aya kuyinyula.

13Umphefumlo wakhe wohlala wonwabile, Imbewu yakhe ilidle ilifa ilizwe.

14Ukucweya kukaYehova kunabamoyikayo; Ubazísa umnqophiso wakhe.

15Amehlo am ahlala emi kuYehova, Ngokuba nguye ozirholayo eluthánjeni iinyawo zam.

16Ndíbheke, undibabale, Ngokuba ndindodwa, ndibandezelekile.

17Iimbandezelo zentliziyo yam ziphangalalisiwe; Ndíkhuphe ekucuthekeni kwam.

18Khangela ukucinezeleka kwam nokwaphuka kwam, Uxolele zonke izono zam.

19Zikhangele iintshaba zam, ngokuba zininzi; Zindithiye ngentiyo egonyamelayo.

20Wugcine umphefumlo wam, undihlangule; Mandingadani, ngokuba ndizímela ngawe.

21Ukugqibelela nokuthi tye makundilondoloze, Ngokuba ndithembele kuwe.

22Khulula uSirayeli, Thixo, Ezimbandezelweni zakhe zonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IiNdumiso 26

Ukuqononondisa kobulungisa

EkaDavide.

1Líthethe ityala lam, Yehova, ngokuba mna ndihambé engqibelelweni yam,
Ndakholosa ngoYehova andahexa.

2Ndícikide, Yehova, undilinge; Nyibilikisa izintso zam nentliziyo yam.

3Ngokuba inceba yakho iphambi kwamehlo am, Ndihamba enyanisweni yakho.

4Andihlali namdoda akhohlakeleyo, Àndihambi nabanyhwalazi.

5Ndilithiyile ibandla labenzi bobubi, Àndihlali nabangendawo.

6Ndizihlamba kokumsulwa izandla zam, Ndisiphàhle isibingelelo sakho, Yehova,

7Ukuba ndivakalise izwi lokubulela, Ndibalise ngayo yonke imisebenzi yakho
ebalulekileyo.

8Yehova, ndiyalithanda ikhaya eliyindlu yakho, Nendawo yokuhlala kozuko lwakho.

9Musa ukuwubuthela umphefumlo wam ndawonye naboni, Ubomi bam ndawonye
namadoda anamagazi;

10Wòna azandla zinamanyala, Wòna ezokunene zawo zizeleyo zizicengo.

11Mna ke okwam ndihamba engqibelelweni yam; Ndíkhulule, undibabale.

12Unyawo lwam lumi endaweni ebanzi; Ndimbonga uYehova ndisemabandleni.

IiNdumiso 27

Ukukholosa ngoThixo ngokungoyiki

EkaDavide.

1NguYehova umkhanyiseli wam nomsindisi wam, ndiya koyika bani na? NguYehova
inqaba yobomi bam, ndiya kunkwantya ngabani na?

2Bakusondela kum abenzi bobubi ukuba badle inyama yam, Bakuza ababandezeli
bam neentshaba zam kum, bákhubeka bawa bona.

3Bendingafanelana ndirhawulwe ngumkhosi isuka ingoyiki intliziyo yam;
Bendingafanelana ndiphakanyelwe yimfazwe, ndisuka ndithembe noko.

4Ndicelé nto-nye kuYehova, ndifuna yona: Ukuba ndihlale endlwini kaYehova yonke
imihla yobomi bam, Ndibòne ubuhle bukaYehova, ndiphicothe etempileni yakhe.

5Ngokuba úndigusha emnqubeni wakhe ngemini yobubi, Undisithelisa esitheni
lentente yakhe, Undimisa eweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ngoku ke iya kuphakama intloko yam phezu kweentshaba zam ezindijikelezayo,
Ndibingelèle ententeni yakhe imibingelelo yokuduma, Ndivume, ndibethe uhadi
kuYehova.

7Yiva, Yehova, ndakubiza ngezwi lam; Ndibabale, undiphendule.

8Intliziyo yam ithi kuwe, kweli ùthi, Funani ubuso bam, Ubuso bakho, Yehova, ndiya
kubufuna.

9Musa ukubusithelisa ubuso bakho kum; Musa ukumgila umkhonzi wakho
ngomsindo; Ùluncedo lwam, musa ukundilahla; Musa ukundishiya, Thixo
ondisindisayo.

10Ngokuba ubawo noma bandishiyile, Wesuka uYehova wandichola.

11Ndíyalele, Yehova, indlela yakho, Ndíkhaphe emendweni othe tye, ngenxa
yabandilaleleyo.

12Musa ukundinikela elitheni labandibandezelayo, Ngokuba ndiphakanyelwe
ngamangqina axokayo, nabafutha ukugonyamela.

13Ndinge ndiphelelwe, koko bendikholwa kukuba ndokubona ukulunga kukaYehova
Ezweni lobu bomi.

14Thembela kuYehova; Yomelela, ikhaliphe intliziyo yakho, Uthembele kuYehova.

IiNdumiso 28

Umthandazo wokucela usindiso

EkaDavide.

1Ndidanduluka kuwe, Yehova; Liwa lam, musa ukuzenza isithulu; Hleze, wakuthi
cwaka kum, Ndifane nabahla baye emhadini.

2Yiva izwi lokukhunga kwam ekuzibikeni kwam kuwe, Ekuziphakamiseleni kwam
izandla zam kwingcwele kangcwele.

3Musa ukundiqweqwedisa nabangendawo, Nabenzi bobutshinga; Abathetha uxolo
kummelwane wabo, Benobubi ezintliziyweni zabo.

4Bánike ngokwemisebenzi yabo, ngokobubi beentlondi zabo; Bánike ngokwezenzo
zezandla zabo; Bábuyisele ngokwempatho yabo.

5Ekubeni bengayiqondi imisebenzi kaYehova, Nezenzo zezandla zakhe, Úya
kubagungxula, angàbakhi.

6Makabongwe uYehova, Kuba elivile ilizwi lokukhunga kwam.

7NguYehova amandla am nengweletshetshe yam; Yakholosa ngaye intliziyo yam,
ndancedeka. Iyadlamka ke intliziyo yam, Ndiyamdumisa ngengoma yam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8UYehova ungamandla kubo; Uligwiba losindiso kumthanjiswa wakhe yena.

9Sindisa abantu bakho, Usikelele ilifa lakho, Ubaluse, ubathwale kude kuse ephakadeni.

IiNdumiso 29

Izwi likaThixo esaqhwithini

Umhobe kaDavide.

1Mnikeni uYehova, nina nyana bakaThixo, Mnikeni uYehova uzuko namandla.

2Mnikeni uYehova uzuko lwegama lakhe; Qubudani kuYehova nívethe ezingcwele.

3Izwi likaYehova liphezu kwamanzi; UThixo wozuko uyadudumisa, KwauYehova phezu kwamanzi amaninzi.

4Izwi likaYehova linamandla, Izwi likaYehova linobungangamela;

5Izwi likaYehova laphula imisedare, UYehova waphula imisedare yaseLebhanon.

6Uyidlobisa njengenkonyana, ILebhanon neSiriyon njengethole lenqu.

7Izwi likaYehova lilenyise okwamalangatye omlilo,

8Izwi likaYehova liyenza isaqhwithi intlango, UYehova uyenza isaqhwithi intlango yaseKadeshe.

9Izwi likaYehova lizuzisa amaxhamakazi, Lihlube amahlathi; Etempileni yakhe into yonke iphela ithi, Luzuko!

10UYehova wahlala kunogumbe, UYehova uhleli enguKumkani ngonaphakade.

11UYehova uya kubanika abantu bakhe amandla; UYehova uya kubasikelela abantu bakhe ngoxolo.

IiNdumiso 30

Umbongo ngenxa yokusindiswa ekufeni

Umhobe: ingoma yokusungulwa kwayo indlu. EkaDavide.

1Ndiya kukuphakamisa, Yehova, kuba undirholile wandinyusa, Akwazivuyisa iintshaba zam ngam.

2Yehova, Thixo wam, Ndazibika kuwe, wandiphilisa;

3Yehova, uwunyusile kwelabafileyo umphefumlo wam, Wandidlisa ubomi, ukuba ndingehli ndiye emhadini.

4Mbetheleni uhadi uYehova, nina bakhe benceba, Nibulele isikhumbuzo sakhe esingcwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ngokuba yinto yephanyazo umsindo wakhe, Itarhu lakhe liyinto yobomi; Ngokuhlwa kulalisa ukulila, Kusasa kubakho ukumemelela.

6Ke mna ndathi ebunqobeni bam, Andiyi kushukunyiswa naphakade.

7Yehova, enkolosekweni yakho ùbuyiqinisile intaba yam; Ubusithelisile ubuso bakho, ndakhwankqiswa.

8Ndadanduluka kuwe, Yehova, Ndakhunga kuYehova:

9Ndathi, Kukho nzuzo yani na egazini lam, ekuhlèni kwam ndiye esihogweni? Lokudumisa na uthuli? loyixela na inyaniso yakho?

10Yiva, Yehova, undibabale; Yehova, yiba ngumncedi wam.

11Wakugúqula ukulila kwam, kwaba kukuqamba; Wandikhulula ezirhwexayo, wandibhinqisa uvuyo,

12Ukuze uzuko lwam luvume ngawe, lungàthi cwaka. Yehova, Thixo wam, ndiya kubulela kuwe ngonaphakade.

IiNdumiso 31

Ukukholosa ngoThixo embandezelweni

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Ndizímela ngawe, Yehova, mandingazendidaniswe; Ndísize ngobulungisa bakho.

2Ndíthobele indlebe yakho, ungxame undihlangule; Yiba liliwa eliligwiba kum, Indlu yemboniselo yokundisindisa.

3Ngokuba ingxondorha yam nemboniselo yam nguwe; Ngenxa yegama lakho ùya kundikhapha undithundeze.

4Ùya kundirhola esibatheni ababesigqumele mna, Ngokuba ùyinqaba yam.

5Ndiwuyaleza umoya wam esandleni sakho; Ùyandikhulula, Yehova, Thixo wenyaniso.

6Ndibathiyile abagcine amampunge angento yanto. Ndikholose ngoYehova mna.

7Ndiya kugcoba ndivuye ngenceba yakho, Ngenxa enokuba uzibonile iintsizi zam, Wazazi iingxingongo zomphefumlo wam;

8Akwandivingcela ngesandla seentshaba, Wazimisa endaweni ebanzi iinyawo zam.

9Ndíbabale, Yehova, ngokuba ndibandezelekile; Lonakele kukukhathazeka iliso lam, nomphefumlo wam, nesisu sam;

10Ngokuba buphelile sisingqala ubomi bam, Neminyaka yam kukuncwina; Ayagexa amandla am ngobugwenxa bam, Namathambo am aluphele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ngenxa yababandezeli bam bonke ndaba sisingcikivo, Ngokukodwa kubamelwane bam; ndaba yinto yokunkwantyisa kwabandaziyo; Abandibonayo ngaphandle baya ndibaleka.

12Ndilityelwe njengomfi ongasakhunjulwayo; Ndinjengesitya esiza kulahlwa.

13Ngokuba ndive intlebendwane yabaninzi, Ukunxunguphala ngeenxa zonke. Ekugquguleni kwabo ngam, Bankqangiyela ukuthabatha umphefumlo wam.

14Ke mna ndikholosé ngawe, Yehova; Ndithi, ÙnguThixo wam wena.

15Asesandleni sakho amaxesha am; Ndíhlangule esandleni seentshaba zam nakwabandisukelayo.

16Khanyisa ubuso bakho phezu komkhonzi wakho; Ndísindise ngenceba yakho.

17Yehova, andiyi kudana, ngokuba ndinqula wena; Makudane abangendawo, bathi cwaka kwelabafileyo.

18Mawubotshwe umlomo wobuxoki, Othetha ngelungisa ngokusa, Únekratshi, údela.

19Hayi, ubukhulu bokulunga kwakho, obuqwebele abakoyikayo, Obenzela abazimela ngawe, ebusweni boonyana babantu!

20Ubasithelisa esitheni lobuso bakho kumayelenqe abantu; Ùyabagusha emnqubeni ekubambaneni kweelwimi.

21Makabongwe uYehova, Ngokuba endenzele inceba ebalulekileyo emzini onqabileyo.

22Ke mna ndathi ekuphakuzeleni kwam, Ndinqanyúlwe andabakho emehlweni akho. Waliva noko izwi lokukhunga kwam ekuzibikeni kwam kuwe.

23Thandani uYehova, nonke nina bakhe benceba; NguYehova umlondolozi wabanyanisileyo, Umphindezeli ngokukhulu kowenza ngekratshi.

24Yomelelani, ikhaliphe intliziyo yenu Nonke nina nithembéle kuYehova.

IiNdumiso 32

Uyolo loxolelo lwezono

EkaDavide. Eyokuqiqa.

1Hayi, uyolo lwakhe olukreqo luxolelweyo, osono siselelweyo!

2Hayi, uyolo lomntu angabubaleliyo uYehova kuye ubugwenxa, Ekungekho kukhohlisa emoyeni wakhe!

3Ndithi ndakuthi cwaka, aluphale amathambo am Ngokubhonga kwam imihla yonke.

4Ngokuba imini nobusuku, besinzima phezu kwam isandla sakho, Baguquka ubumanzi bam, baba kukubalela kwasehlotyeni. ***(Phakamisani.)***

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ndikwazisile isono sam, ubugwenxa bam andabugquma; Ndathi, Ndoluvuma ukreqo lwam kuYehova; Wabuxolela ke wena ubugwenxa besono sam. ***(Phakamisani.)***

6Ngenxa yoko mabathandaze kuwe bonke abenceba ngexesha lokukufumana; Inene, ekukhukuleni kwamanzi amaninzi Akayi kufika kubo.

7Wena uyindawo yokuzímela kwam; uyandilondoloza embandezelweni, Undingqònge ngomemelelo lokusiza. ***(Phakamisani.)***

8Ndiya kukuqiqisa ndikuyalele indlela owohamba ngayo: Ndiya kukucebisa, iliso lam likuwe.

9Musani ukuba njengamahashe, njengoondlebende, ukungabi nangqondo; Abazivatho zingumkhala, neentambo zokubabopha umlomo; Bengenazo abasayi kusondela kuwe.

10Mkhulu umvandedwa wongendawo; Ke okholosa ngoYehova, yena uya kumjikela ngenceba.

11Vuyani kuYehova, nigcobe, nina malungisa, Nimemelele, nina nonke bantliziyo zithe tye.

IiNdumiso 33

Umbongo kuThixo uMdali noMlondolozi

1Memelelani kuYehova, nina malungisa; Ibafanele abathe tye indumiso.

2Bulelani kuYehova ngohadi, Mbetheleni umrhubhe ontambo zilishumi.

3Mvumeleni ingoma entsha, Nilungise ukubetha ngelokuduma;

4Ngokuba lithe tye ilizwi likaYehova, Konke akwenzayo kuthembekile.

5Ngumthandi wobulungisa nokusesikweni, Lizele ihlabathi yinceba kaYehova.

6Lênzeka ngelizwi likaYehova izulu, Umkhosi walo lonke ngomoya womlomo wakhe.

7Ulobutha njengemfumba amanzi olwandle, Ulobeka koovimba amanzi enzonzobila.

8Malimoyike uYehova lonke ihlabathi, Bamhlonele bonke abemi belimiweyo;

9Ngokuba wathetha, kwabakho; Wawisa umthetho yena, kwema.

10UYehova ulitshitshisile icebo leentlanga; Uzaléle iingcinga zezizwe.

11Icebo likaYehova limi ngonaphakade, Iingcinga zentliziyo yakhe kwizizukulwana ngezizukulwana.

12Hayi, uyolo lohlanga oluThixo walo unguYehova; Lwabantu abanyulileyo, baba lilifa kuye.

13Uqondéle esemazulwini uYehova; Uyababona bonke oonyana babantu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Esendaweni yakhe yokuhlala, wondele Kubemi bonke behlabathi:

15Ulobumba ngakunye intliziyo yabo, Uloqonda zonke izenzo zabo.

16Akukho kumkani osindiswa yimpi enkulu; Igorha àlihlangulwa ngamandla alo amakhulu.

17Liyaxoka ihashe ukuba lingásindisa, Nangamandla alo amakhulu alinakusiza.

18Yabona, iliso likaYehova likubo abamoyikayo, Abalindéle inceba yakhe,

19Ukuba awuhlangule ekufeni umphefumlo wabo, Abagcine ngexesha lendlala.

20Umphefumlo wethu ulindele kuYehova; Nguye uncedo lwethu, nengweletshetshe yethu.

21Ngokuba iya kuvuya ngaye intliziyo yethu, Sikholosile nje ngegama lakhe elingcwele.

22Inceba yakho mayibe phezu kwethu, Yehova, Njengoko sikulindeleyo kuwe.

IiNdumiso 34

Ugcino lukaThixo kwabakhe

EkaDavide; oko wazenza ophambene ingqondo phambi koAbhimeleki, waza yena wamgxotha, wahamba.

1Ndiya kumbonga uYehova ngamaxesha onke, Ihlale isemlonyeni wam indumiso yakhe.

2Úya kuqhayisa umphefumlo wam ngoYehova; Bova abalulamileyo, bavuye.

3Menzeni mkhulu kunye nam uYehova, Siliphakamise kunye igama lakhe.

4Ndamfuna uYehova, wandiphendula; Wandihlangula kwiinto zonke endinxunguphala zizo.

5Babheka kuye, bakhazimla; Ubuso babo àbaba nazintloni.

6Usizana lwadanduluka, weva uYehova, Walusindisa ezimbandezelweni zalo zonke.

7Isithunywa sikaYehova sibangqinga ngeenxa zonke abamoyikayo, Sibahlangule.

8Yivani, nibone ukuba ulungile uYehova. Hayi, uyolo lomfo ozímela ngaye!

9Moyikeni uYehova, nina bangcwele bakhe, Ngokuba abanakuswela abamoyikayo.

10Iingonyama ezintsha ziyaswela, zilambe; Ke bona abamfunayo uYehova abasweli nanye into elungileyo.

11Yizani, bonyana, phulaphulani kum; Ndonifundisa ukoyika uYehova.

12Ngubani na umntu obungxameleyo ubomi, Othanda imihla yokubona okulungileyo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Gcina ulwimi lwakho ebubini, Umlomo wakho ungathethi nkohliso.

14Suka ebubini, wenze okulungileyo; Funa uxolo, uluphuthume.

15Amehlo kaYehova akumalungisa, Iindlebe zakhe zisekuzibikeni kwawo.

16Ubuso bukaYehova bujonge abenzi bokubi, Ukuba akunqumle ehlabathini ukukhunjulwa kwabo.

17Akhala, weva uYehova; Wawahlangula ezimbandezelweni zawo zonke.

18Ùsondele uYehova kwabantliziyo zaphukileyo, Àbasindise abamoya utyumkileyo.

19Buninzi ububi obulihlelayo ilungisa, Ke uYehova ulihlangula kubo bonke.

20Ùyawagcina onke amathambo alo, Akwaphuki nalinye kuwo.

21Ububi buyambulala ongendawo; Abathiyi belungisa bayalithwala ityala.

22UYehova uyawukhulula umphefumlo wabakhonzi bakhe, Bangàthwali tyala bonke abazimela ngaye.

IiNdumiso 35

Umthandazo wokucela ukugwetywa kwamatshijolo

EkaDavide.

1Bambana, Yehova, nababambana nam. Yilwa nabalwa nam.

2Qubula ikhaka nengweletshetshe, Usuk' ume undincede.

3Rhola umkhonto, uvingce indlela yabandisukelayo; Yithi kumphefumlo wam, Ndilusindiso lwakho.

4Mabadane, bahlazeke, abazungula umphefumlo wam; Mababuye umva babe neentloni abacinga ububi ngam.

5Mababe njengomququ phambi komoya, Sibatyhale isithunywa sikaYehova, bawe.

6Indlela yabo mayibe mnyama, ibe buthelezi, Sibasùkele isithunywa sikaYehova.

7Ngokuba basigqumele mna isibatha sabo ngelizé; Bawumbela isihogo umphefumlo wam ngelizé.

8Mayimfikele intshabalalo engazi; Sibambise yena isibatha sakhe awasigqumayo, Eyele kuso ngesithonga.

9Wógcoba ke umphefumlo wam kuYehova, Ube nemihlali ngosindiso lwakhe.

10Onke amathambo am aya kuthi, Yehova, ngubani na onjengawe, Mhlanguli wosizana kowomeleleyo kunalo, Kwausizana nehlwempu kumxhakamfuli walo?

11Kusuke kwema amangqina angenakulungisa, Andibuza into endingayaziyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Bandibuyekeza ngobubi esikhundleni sokulungileyo; Uxhwalekile umphefumlo wam.

13Ke mna, xa babesifa, iingubo zam bezizezirhwexayo; Ndawucinezela umphefumlo wam ngokuzila ukudla; Umthandazo wam wabuyela esifubeni sam.

14Ndaziphatha njengokungathi únguwethu, njengokungathi úngumzalwana kum, ukuhamba-hamba kwam; Ndanga ndingombambazelela unina, ukuthobeka kwam, ndinezimnyama zokuzila.

15Ke ekuqhwaleleni kwam avuya, ahlangana, Ahlangana ngam amagxidolo, nendingabaziyo, Bandihlalela ngentlamba, àbayeka.

16Ngokweentshembenxa ezizihiba ngenxa yesonka, Banditshixizela amazinyo.

17Nkosi, kunini na ubonela? Buyisa umphefumlo wam kwiintshabalaliso zabo, Okuphela kwawo ezingonyameni.

18Ndiya kubulela kuwe ebandleni elikhulu, Ebantwini abaninzi ndiya kukudumisa.

19Mazingandivuyeleli iintshaba zam ngobuxoki, Bangatyandelani ngoshiyi abandithiyayo ngelizé:

20Ngokuba àbathethi luxolo; Bacinga amazwi enkohliso ngabanyhamnyhekileyo belizwe.

21Bayandisinekela, Bathi, Tshotsho! Tshotsho! Abonile amehlo ethu.

22Ùbonile, Yehova; musa ukuba sisithulu; Nkosi, musa ukuba kude kum.

23Zivuse, uphaphe ngenxa yebango lam, Thixo wam, Nkosi yam, ngenxa yento esibambene ngayo.

24Líthethe ityala lam ngokobulungisa bakho, Yehova Thixo wam; Mabangandivuyeleli;

25Mabangàthi entliziyweni yabo, Tshotsho! Nantso into ebe siyfuna! Mabangàthi, Simginyile.

26Mabadane, babe neentloni kunye Abavuyela ububi bam; Bambathe ukudana nehlazo Abazikhulisayo kunam.

27Mabamemelele, bavuye, abananzé ubulungisa bam, Bahlale besithi, Makabe mkhulu uYehova, Ulonanzé uxolo lomkhonzi wakhe.

28Ulwimi lwam luya kuxela ubulungisa bakho Nendumiso yakho, imihla yonke.

IiNdumiso 36

Ukungoyiki kwabantu abanobubi; inceba kaThixo

Kumongameli. Eyomkhonzi kaYehova. EkaDavide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ongendawo unezihlabo zokreqo entliziyweni yakhe ngaphakathi, ezithi, Akukho
koyika Thixo emehlweni akhe,

2Ngokuba zithetha kuye ngokugudileyo emehlweni akhe, Zide zimfumanise
ubugwenxa bakhe, zimthiye.

3Amazwi omlomo wakhe abubutshinga nenkohliso; Uyekile ukwenza ngokuqiqa
nangokulungisa.

4Ucinga ubutshinga elukhukweni lwakhe; Uzimisa endleleni engalungileyo;
Akabucekisi ububi.

5Yehova, inceba yakho ifikelela ezulwini, Ukuthembeka kwakho esibhakabhakeni.

6Ubulungisa bakho bunjengeentaba zikaThixo; Izigwebo zakho zingamanzi
enzonzobila; Ùsindisa umntu neenkomo, Yehova.

7Hayi, ixabiso lenceba yakho, Thixo! Oonyana babantu bazímela ngethunzi lamaphiko
akho.

8Bayahluthiswa kukutyeba kwendlu yakho; Ubaseza emlanjeni weziyolo zakho.

9Ngokuba likuwe ithende lobomi; Ekukhanyeni kwakho sibona ukukhanya.

10Bólulele inceba yakho abakwaziyo, Ubolulele ubulungisa bakho abantliziyo zithe
tye.

11Malungandinyatheli unyawo lonekratshi, Singandiphekuzi isandla sabangendawo.

12Nâbo bewile abasebenzi bobutshinga; Batyhalwé bawa, ababa nakuvuka.

IiNdumiso 37

UYehova uyabalondoloza abakholosa ngaye; abangendawo baya kutshabalala

EkaDavide.

1Musa ukuzivuthisa ngomsindo ngabenzi bobubi; Musa ukubamonela abenzi
bobugqwetha.

2Ngokuba baya kusikwa kamsinyane njengengca, Babune njengohlaza oluphumayo.

3Kholosa ngoYehova, wenze okulungileyo; Limé ilizwe, ulandelane nokuthembeka.

4Ziyolise ngoYehova; Wókunika okunqwenelwa yintliziyo yakho.

5Yiyekele kuYehova indlela yakho, Ukholose ngaye; wókwenzela,

6Abuvelise njengokukhanya ubulungisa bakho, Nebango lakho njengemini enkulu.

7Yithi cwaka kuYehova, ulindele kuye; Musa ukuzivuthisa ngomsindo
ngonempumelelo ngendlela yakhe, Ngomntu ofeza amayelenqe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Lahla umsindo, ushiye ubushushu; Musa ukuzivuthisa ngomsindo, kuba oko kusingisa ekwenzeni ububi kuphela.

9Ngokuba abenzi bobubi baya kunqunyulwa; Ke bona abamthembayo uYehova, baya kulidla ilifa ilizwe.

10Kusaya kuba mzuzwana, angabikho ongendawo; Ùthi wakuyikhangela indawo yakhe, angabikho.

11Ke bona abalulamileyo baya kulidla ilifa ilizwe, Baziyolise ngobuninzi boxolo.

12Ongendawo ulenzela amayelenqe ilungisa, Ulitshixizela amazinyo akhe.

13INkosi iyamhleka, Ngokuba ibona ukuba iyeza imini yakhe.

14Barholé ikrele abangendawo, bagobé isaphetha sabo, Ukuba bawise usizana nehlwempu, Basike abandlela zithe tye.

15Ikrele labo liya kungena kwakweyabo intliziyo, Zaphuke izaphetha zabo.

16Ilungile intwana elinayo ilungisa, Kunentabalala abanayo abangendawo abaninzi:

17Ngokuba iingalo zabangendawo ziya kwaphulwa; NguYehova umxhasi wamalungisa.

18NguYehova umazi wemihla yabagqibeleleyo, Nelifa labo liya kuba ngunaphakade.

19Àbayi kudana ngexesha lobubi; Baya kuhlutha ngeemini zendlala:

20Ngokuba abangendawo bayatshabalala; Iintshaba zikaYehova zinjengobuhle bamadlelo; Ziya kuphela njengomsi, ziphele.

21Úyaboleka ongendawo, angabuyisi; Ke lona ilungisa liyababala, liphe.

22Ngokuba abasikelelweyo nguye baya kulidla ilifa ilizwe, Banqanyulwe abatshabhisiweyo nguye.

23Amanyathela omfo aqiniswa nguYehova, Ayithande indlela yakhe.

24Ewíle, akayi kuqungquluza, Ngokuba nguYehova umxhasi wesandla sakhe.

25Ndaka ndamtsha, kungokunje ndimdala; Ukanti andizanga ndilibone ilungisa lishiywa, Nembewu yalo ivukela ukutya.

26Imihla yonke liyababala, liboleke abanye; Nembewu yalo iyintsikelelo.

27Suka ebubini, wenze okulungileyo, Uhlale ngonaphakade.

28Ngokuba uYehova uthanda okusesikweni, Angabashiyi abenceba bakhe; Bagciniwe ngonaphakade: Ke yona imbewu yongendawo iyanqanyulwa.

29Amalungisa aya kulidla ilifa ilizwe, Ahlale kulo ngonaphakade.

30Umlomo welungisa uxela ubulumko, Nolwimi lwalo luthetha okusesikweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Umyalelo woThixo walo usentliziyweni yalo; Akayi kuhexa amanyathela alo.

32Ongendawo uyalilalela ilungisa, Ufuna ukulibulala.

33UYehova akalinikeli esandleni sakhe, Angàligwebi ekuthethweni kwetyala lalo.

34Thembela kuYehova, ugcine indlela yakhe; Wokuphakamisa, ulidle ilifa ilizwe; Ekunqanyulweni kongendawo wobonela.

35Ndimbonile ongendawo, oyingqwangangqwili, Exanda njengomthi omilileyo, uluhlaza;

36Kwadlula umntu, nanko engasekho; Ndamfuna, akafumaneka.

37Gcina ogqibeleleyo, ukhangele othe tye; Ngokuba izivela-mva zezomntu woxolo.

38Ke bona abangendawo batshatyalaliswa kuphele; Izivela-mva zongendawo ziyanqanyulwa.

39Usindiso lwamalungisa luphuma kuYehova; Uligwiba lawo ngexesha lembandezelo.

40UYehova uyawanceda, awasindise, Awasindise kongendawo, awasindise, Ngokuba azímela ngaye.

IiNdumiso 38

Indumiso yosezintlungwini, ezohlwaya

Umhobe kaDavide: eyokukhumbuza.

1Yehova, musa ukundohlwaya únoburhalarhume, Ungandithethisi únobushushu:

2Ngokuba iintolo zakho zitshoné kum, Sehla kanzima kum isandla sakho.

3Akukho ndawo iphilileyo enyameni yam, ngenxa yokubhavuma kwakho; Akukho kuphila emathanjeni am, ngenxa yezono zam.

4Ngokuba ubugwenxa bam bugqithile entlokweni yam, Bundisinda njengomthwalo onzima.

5Iyanuka, iyabhiqiza imivumbo yam, Ngenxa yokumatha kwam.

6Ndiyapenapena, ndisibekeke kakhulu; Yonke imini ndihamba-hamba ngezimnyama zokuzila.

7Ngokuba kuyatshisa emihlubulweni yam, Akukho ndawo iphilileyo enyameni yam.

8Ndiqobekile, ndityumkile kakhulu; Ndibhongiswa kukugcuma kwentliziyo yam.

9Nkosi yam, úphambi kwakho wonke umnqweno wam, Nokuncwina kwam akusithele kuwe.

10Iphaphu lam liyabetha, ndiphelélwe ngamandla; Ukukhanya kwamehlo am, nako oko, akukho kum.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Abandithandayo nowethu bamele mgama ekubethweni kwam, Nezalamane zam
zimi kude.

12Bandithiyele abafuna umphefumlo wam; Abangxamele ukuba ndihlelwe bububi
bathetha izinto zokweyelisela, Bacamanga inkohliso imini yonke.

13Ke mna ndinjengesithulu, andiva; Njengesidenge esingawuvuliyo umlomo waso.

14Ndinjengomntu ongeva nto, Omlomo ungenakuthethisa.

15Ngokuba ndilindéle kuwe, Yehova; Kuya kuphendula wena, Nkosi yam, Thixo wam,

16Ngokuba ndithi, Hleze bandivuyelele Bona abo bangázikhulisayo kum ekutyibilikeni
konyawo lwam.

17Ngokuba ndihlalele ukujingxela, Umvandedwa wam uphambi kwam amaxesha
onke.

18Ngokuba ndiya kubuxela ubugwenxa bam; Ndinesithukuthezi ngenxa yesono sam.

19Ke zona iintshaba zam ziphilile, ziziimfidi; Baninzi abandithiyileyo bexoka;

20Abandibuyekeza ngobubi esikhundleni sokulungileyo Bayandichasa, ngenxa
yokuphuthuma kwam okulungileyo.

21Musa ukundishiya, Yehova; Thixo wam, musa ukuba kude nam.

22Khawuleza undincede, Nkosi yam, Msindisi wam.

IiNdumiso 39

Amampunge nesithingathinga sobomi

Kumongameli, kuYedutun. Umhobe kaDavide.

1Ndathi, Ndiya kuzigcina iindlela zam, Ndingoni ngolwimi lwam; Ndiya kuwugcina
ngokuwubopha umlomo wam, Xa ongendawo asephambi kwam.

2Ndaba sisidenge, ndathozama, Ndazisulungisa nakokulungileyo; Wagxobha-
gxobheka umvandedwa wam.

3Yaba nobushushu intliziyo yam phakathi kwam, Ekucamangeni kwam wavutha
umlilo. Ndathetha ke ngolwimi lwam,

4Ndathi, Ndázise, Yehova, isiphelo sam, Nomlinganiso wemihla yam, into oyiyo;
Mandikwazi ukunqamka kwam, into okuyiyo.

5Yabona, ùyenzé imihla yam yangangobubanzi besandla; Nobomi bam bunjengento
engento phambi kwakho; Ngumphunga nje bonke abantu, nakuba
bemi. *(Phakamisani.)*

6Ùhamba-hamba umntu enjengesithunzi nje kodwa; Baxokozela ngomphunga nje
kodwa; Bafumba, bengazi ukuba ngubani na oya kukuhlanganisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ngoku ndiya kuthembela kwintoni na, Nkosi yam? Ukulinda kwam kukuwe.

8Ndihlangule elukreqweni lwam lonke; Musa ukundimisela ingcikivo yesidenge.

9Ndisisidenge, umlomo wam andiwuvuli, Ngokuba oko kwenziwe nguwe.

10Sisuse kum isibetho sakho; Mna ndiyaphela kukutyundyutha kwesandla sakho.

11Wakumthethisa umntu ngezohlwayo ngenxa yobugwenxa, Ùyasonakalisa njengenundu isoya sakhe; Bangumphunga nje kodwa bonke abantu. *(Phakamisani.)*

12Yiva umthandazo wam, Yehova, Kubekele indlebe ukuzibika kwam. Musa ukuthi tu ezinyembezini zam; Ngokuba ndingumphambukeli kuwe, Undwendwe, njengoobawo bonke.

13Bheka phaya, ungandikhangeli, khendincumeze, Ndingekemki ndingabi sabakho.

IiNdumiso 40

Idini lombongo nomthandazo wokucela uncedo ngokhawulezo

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Ndathembela, ndithembele kuYehova, Wathoba, wakuva ukuzibika kwam.

2Wandirhola emhadini wentshabalalo, naseludakeni lomgxobhozo, Wazimisa eliweni iinyawo zam, wakuqinisa ukunyathela kwam.

3Wabeka emlonyeni wam ingoma entsha, indumiso kuThixo wethu; Abaninzi bayabona, boyike, Bakholose ngoYehova.

4Hayi, uyolo lwendoda emenze uYehova inkoloseko yayo, Ingabheki kwabagwagwisayo, nakubanxaxhi abanamanga!

5Yehova, Thixo wam, wena wenze okuninzi ngemisebenzi yakho ebalulekileyo, Nangeengcinga zakho kuthi; Akukho nto inokulinganiswa nawe; Okanye bendiya kuyixela, ndithethe ngayo; Ke ziyinkohla engenakubalwa.

6Akunanzé mbingelelo namnikelo wakudla; Iindlebe zam uzivulile; Akubizi dini linyukayo nadini lasono.

7Ndaza ndathi, Yabona, Ndiyeza; encwadini esongwayo kubhaliwe ngam.

8Ukwenza okulikholo kuwe, Thixo wam, ndikunanzile; Nomyalelo wakho usezibilinini zam ngaphakathi.

9Ndashumayela iindaba ezilungileyo zobulungisa ebandleni elikhulu; Yabona, andiwuthintelanga umlomo wam; Yehova, wena uyazi.

10Ubulungisa bakho andibugqumanga phakathi kwentliziyo yam; Ndákukhankanya ukuthembeka kwakho nosindiso lwakho; Andiyikhanyelanga inceba yakho nenyaniso yakho ebandleni elikhulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Wena, Yehova, akuyi kuzithintela iimfesane zakho kum; Inceba yakho nenyaniso yakho iya kuhlala indilondoloza.

12Ngokuba zindijikele izinto ezimbi, ezide azaba nakubalwa; Bundifikele ubugwenxa bam, andinakubukhangela; Buninzi kuneenwele zentloko yam; Ndimkelwe yintliziyo.

13Ngamana, Yehova, wandihlangula; Yehova, wakhawuleza wandinceda!

14Mabadane babe neentloni kuphele Abazungula umphefumlo wam ukuze bawuphephethe; Mababuye muva bahlazeke Ábananzé ukuba ndihlelwe bububi.

15Mabamangaliswe ngumvuzo wehlazo labo Abathi kum, Tshotsho! Tshotsho!

16Mababe nemihlali bavuye ngawe bonke abakufunayo, Abaluthandayo usindiso lwakho bahlale besithi, Makenziwe mkhulu uYehova.

17Mna ke ndilusizana, ndilihlwempu; INkosi iya kundikhumbulela. Umncedi wam nomsindisi wam nguwe; Thixo wam, musa ukulibala.

IiNdumiso 41

Umthandazo wogulayo, ecela impindezelo phezu kweentshaba zakhe

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Hayi, uyolo lwalowo unyamekela ihlwempu! Ngomhla wobubi uYehova uya kumhlangula.

2UYehova uya kumlondoloza amgcine, aphile. Kuya kuthiwa unoyolo yena ehlabathini; Úngamnikeli elitheni leentshaba zakhe.

3UYehova uya kumxhasa elukhukweni lobulwelwe; Ùya kuluguqula ukhuko lwakhe lonke esifeni sakhe.

4Ndithi mna, Yehova, tarhu; Philisa umphefumlo wam, ngokuba ndonile kuwe.

5Iintshaba zam zithetha kakubi ngam; Zithi, Úya kufa nini na, lidake igama lakhe?

6Nothe weza kundilunguza, uthetha into ekhohlakeleyo; Intliziyo yakhe ibutha ubutshinga; Uphuma phandle, abuthethe.

7Basebezelana ngam bonke abandithiyayo; Bacinga ububi ngam.

8Bathi, Unanyekwe bubutshijolo, Engoleleyo nje, akayi kubuya avuke.

9Kwanendoda ebixolelene nam, ebe ndikholose ngayo, Ebisidla isonka sam, indiphakamisele isithende sayo.

10Wena Yehova, ndíbabale, undiphakamise, Ndibabuyekeze.

11Ndazi ngale nto, ukuba ùndinonelele, Yokokuba lungenakundidumela utshaba lwam.

12Mna ekugqibeleleni kwam ùyandixhasa, Ùndimisa phambi kwakho ngonaphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Makabongwe uYehova, uThixo kaSirayeli, kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni. Amen, amen.

IiNdumiso 42

Ukulangazelela uThixo ekuthinjweni nasekhathazweni

Kumongameli: eyokuqiqa; eyoonyana bakaKora.

1Njengexhama elitsalela emifuleni yamanzi, Wenjenjalo ukutsalela kuwe, Thixo, umphefumlo wam.

2Umphefumlo wam unxanela uThixo, uThixo ophilileyo; Ndiya kufika nini na, ndibonakale ebusweni bukaThixo?

3Iinyembezi zam zaba kukudla kwam imini nobusuku, Bakuthi kum imihla yonke, Úphi na uThixo wakho?

4Ndikhumbula oku, ndiwuphalazela kum umphefumlo wam, Ukuhamba kwam nezihlwele ndisiya endlwini kaThixo, Sinezwi lokumemelela nokubulela, siyingxokolo evuyayo.

5Kungani na ukuba ùsibekeke, mphefumlo wam; Kungani na ukuba ugule ngaphakathi kwam? Lindela kuThixo, ngokuba ndisaya kubuya ndibulele kuye, Olusindiso lobuso bam, noThixo wam.

6Thixo wam, umphefumlo wam usibekekile kum; ngenxa yoko ndikhumbula wena Ezweni laseYordan, nakweleHermon, entabeni yeMitsare.

7Amanzi anzongonzongo abiza amanzi anzongonzongo ngesandi seengxangxasi zakho; Onke amaza akho alwayo, amaza akho agugumayo, adlule phezu kwam.

8Emini uYehova uya kuyiwisela umthetho inceba yakhe, Nasebusuku ukuvuma ngaye kunam, Ukuthandaza kuThixo wobomi bam.

9Ndithi ke kuThixo oyingxondorha yam, Undilibele ngani na? Ndihambelani na ngezimnyama zokuzila ngokuxina kotshaba?

10Ngento ephehlayo emathanjeni am, bayandingcikiva abandibandezelayo, Ngokuthi kwabo kum imihla yonke, Úphi na uThixo wakho?

11Kungani na ukuba ùsibekeke, mphefumlo wam; Kungani na ukuba ugule ngaphakathi kwam? Lindela kuThixo, ngokuba ndisaya kubuya ndibulele kuye, Olusindiso lobuso bam, noThixo wam.

IiNdumiso 43

Umthandazo wethemba lokubuyela etempileni

1Líthethe ityala lam, Thixo, ubambane ngenxa yam nohlanga olungenanceba; Ndísindise endodeni ekhohlisayo, enobugqwetha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ngokuba ùnguThixo oyinqaba yam; ùndihlambelani na? Ndihambelani na ngezimnyama zokuzila, ngokuxina kotshaba?

3Thuma ukukhanya kwakho nenyaniso yakho, zindikhaphe, Zindise entabeni yakho engcwele, Naseminqubeni yakho.

4Ndoya ke esibingelelweni sikaThixo, KuThixo wovuyo lwam olugcobayo, Ndibulèle kuwe ngohadi, Thixo onguThixo wam.

5Kungani na ukuba ùsibekeke, mphefumlo wam? Kungani na ukuba ugule ngaphakathi kwam? Lindela kuThixo, ngokuba ndisaya kubuya ndibulele kuye, Olusindiso lobuso bam, noThixo wam.

IiNdumiso 44

Iintlangulo ezidluleyo zikhunjulwa ngexesha lenkathazo

Kumongameli: eyoonyana bakaKora: eyokuqiqa.

1Thixo, sivile ngeendlebe zethu, oobawo basibalisela, Ngomsebenzi owawenza ngemihla yabo, ngemihla yamandulo:

2Okokuba isandla sakho sagqogqa iintlanga, sabatyala bona; Saviva izizwe, sabanabisa bona.

3Ngokuba àbalihluthanga ilizwe ngekrele labo, Àbazisindisanga ngengalo yabo; Sisandla sakho sokunene, nengalo yakho, nokukhanya kobuso bakho; Ngokuba wawunesisa kubo.

4Wena unguKumkani wam, Thixo; Yitsho lubekho usindiso kuYakobi.

5Ngawe sobangqula abasibandezelayo; Egameni lakho sobagqusha abasukela phezulu kuthi.

6Ngokuba àndikholose ngasaphetha sam; Andisindiswa ngakrele lam.

7Hayi! Nguwe osisindisayo kwabasibandezelayo, Ubadànise abasithiyileyo.

8NgoThixo sidumisa imihla yonke, Sibulele kwigama lakho ngonaphakade. ***(Phakamisani.)***

9Noko ke ùsihlambile, ùsihlazile, Akwaphuma nemikhosi yethu.

10Ùsibuyisé umva phambi kombandezeli; Abasithiyileyo basiphangile okwabo.

11Wasinikela njengeegusha ezidliwayo; Wasichitha-chitha ezintlangeni;

12Wathengisa ngabantu bakho, akwazuza, Akwalinyusa ixabiso labo.

13Wasenza isingcikivo kubamelwane bethu, Isigculelo nesicukucezo kwabasijikelezileyo.

14Wasenza umzekelo ezintlangeni, Abokuhlunguzelelwa intloko ezizweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Yonke imihla ihlazo lam liphambi kwam, Nokudana kobuso bam kundigubungele,

16Ngenxa yezwi lomngcikivi nomnyelisi, Ngenxa yokukhangela kotshaba nomphindezeli.

17Oko konke kusifikele, asikulibalanga wena, Asixokanga emnqophisweni wakho;

18Ayibuyanga umva intliziyo yethu, Ukunyathela kwethu akuthanga gu bucala emendweni wakho;

19Ukuba usityumze endaweni yeempungutye, Usigubungele ngethunzi lokufa.

20Ukuba besililibele igama loThixo wethu, Sazolulela kuthixo wasemzini izandla zethu,

21Úbengayi kuyigoca-goca na uThixo loo nto, Ngokuba ezazi iindawo ezifihlakeleyo zentliziyo?

22Hayi, Ngenxa yakho sibulawa imihla yonke; Kuthiwa siziigusha zokuxhelwa.

23Vuka, ùlaleleni na, Nkosi yam? Qabuka, ungasihlambi kuphele.

24Ubusitheliselani na ubuso bakho, Ukulibale ukucinezelwa kwethu, nokuxinwa kwethu?

25Ngokuba úsibekeke eluthulini umphefumlo wethu, Sanamathela emhlabeni isisu sethu.

26Khawusuk' ume usincede, Usikhulule ngenxa yenceba yakho.

IiNdumiso 45

Ingoma yomsitho wakomkhulu

Kumongameli: ngeyeenyibiba. Eyoonyana bakaKora; eyokuqiqa. Ingoma yeentánda.

1Intliziyo yam iphuphuma ilizwi elihle, Ndisithi, Into endiyenzayo isingise kukumkani; Ulwimi lwam lusiba lombhali okhawulezayo.

2Ùmhle wamhle ngaphezu koonyana babantu; Kugalelwe ubumnandi emlonyeni wakho; Ngenxa yoko úkusikelele uThixo wakho ngonaphakade.

3Bhinqa ikrele lakho ethangéni, gorha, Bhinqa indili yakho nobungangamela bakho.

4Tyhudisa, ukhwele uhambe, únobungangamela bakho, Ngenxa yenyaniso, nolulamo olunobulungisa. Sikuyale ngezinto ezoyikekayo isandla sakho sokunene.

5Iintolo zakho zitsolile; Kuya kuwa izizwe phantsi kwakho; Zitsolile entliziyweni yeentshaba zokumkani.

6Itrone yakho, itrone kaThixo, ingunaphakade kanaphakade; Yintonga ethe tye intonga yobukumkani bakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ùthanda ubulungisa, uthiyé okungendawo; Ngenxa yoko úkuthambisile uThixo, uThixo wakho, Ngeoli yemihlali ngaphezu kwabalingane bakho.

8Ziyimore nehaloti nekasiya iingubo zakho zonke; Emabhotweni eempondo zeendlovu uhadi lukuvuyisile.

9Kukho iintombi zokumkani phakathi kwabathandekayo bakho; Ukumkanikazi umi ngasekunene kwakho, Enxibe igolide ecikizekileyo yakwaOfire.

10Yiva, ntombi, ubone, uthobe indlebe yakho, Ubalibale abantu bakowenu, nendlu kayihlo;

11Akùbunqwenela ubunzwakazi bakho ukumkani, Wòqubuda kuye, ngokuba eyinkosi yakho.

12Intombi enguTire, izityebi zabantu, Ziya kukuncekelela ngomnikelo.

13Bubuyokoyoko bodwa intombi yokumkani kweliphakathi igumbi. Isambatho sayo sesilukwe igolide.

14Isiwa kukumkani ineengubo ezimfakamfele; Ziyilandela iintombi ezingowayo, Zisiwa kuwe,

15Zisiwa ngovuyo nangomgcobo, Zingene ebhotweni lokumkani.

16Endaweni yooyihlo iya kuba ngoonyana bakho; Ùya kubamisa babe ngabathetheli ehlabathini lonke.

17Ndiya kulikhankanya igama lakho kwizizukulwana ngezizukulwana zonke; Ngenxa yoko izizwe ziya kubulela kuwe ngonaphakade kanaphakade.

IiNdumiso 46

UThixo inqaba yabantu bakhe

Kumongameli: eyoonyana bakaKora; ngeyeentombi. Ingoma.

1UThixo ulihlathi, uligwiba kuthi; Ezimbandezelweni ufumaneke eluncedo kunene.

2Ngenxa yoko asoyiki ekuphendukeni kwehlabathi, Ekudilikeleni kweentaba esazulwini solwandle.

3Makagqume alephuze amanzi alo, Iintaba zinyikime ngokukratsha kwalo. ***(Phakamisani.)***

4Kukho umlambo ozibhaxa zivuyisa umzi kaThixo, Ingcwele yeminquba yOsenyangweni.

5UThixo uphakathi kwawo, awushukunyiswa; UThixo uyawunceda kwasekuzeni kokusa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ziyaxokozela iintlanga, ziyashukuma izikumkani: Ukhupha izwi lakhe, linyibilike ihlabathi.

7UYehova wemikhosi unathi, Ingxonde yethu nguThixo kaYakobi. ***(Phakamisani.)***

8Yizani nikhangele imisebenzi kaYehova: Owenze iziphanziso ehlabathini;

9Ulophelisa iimfazwe kude kuse eziphelweni zehlabathi; Waphúla isaphetha, angqumze umkhonto, Atshise iinqwelo zokulwa ngomlilo.

10Yekani, nazi ukuba ndinguThixo mna. Ndiya kuphakanyiswa ezintlangeni, ndiya kuphakanyiswa ehlabathini.

11UYehova wemikhosi unathi, Ingxonde yethu nguThixo kaYakobi. ***(Phakamisani.)***

IiNdumiso 47

Uvuyo loluntu lonke ngenxa kaThixo, ukumkani wehlabathi lonke

Kumongameli; eyoonyana bakaKora. Umhobe.

1Nonke zizwe, bethani izandla, Dumani kuThixo ngezwi lokumemelela.

2Ngokuba uYehova Osenyangweni uyoyikeka; Ngukumkani omkhulu ehlabathini lonke.

3Uzikhandanisela phantsi kwethu izizwe, Izizwe phantsi kweenyawo zethu.

4Usinyulela ilifa lethu, Iqhayiya likaYakobi awamthandayo. *(Phakamisani.)*

5UThixo unyukile, kudunywa; Unyukile uYehova, kuhlokoma isigodlo.

6Mbetheleni uhadi uThixo, mbetheleni, Mbetheleni uhadi uKumkani wethu, mbetheleni!

7Ngokuba uKumkani wehlabathi lonke nguThixo; Mbetheleni ngeyokuqiqa.

8UThixo nguKumkani weentlanga; UThixo uhleli etroneni yakhe engcwele.

9Amanene ezizwe ahlanganisene, Abantu boThixo ka-Abraham; Ngokuba iingweletshetshe zehlabathi zezikaThixo; Unyusiwe kakhulu yena.

IiNdumiso 48

Ubuhle nokomelela kweZiyon

Ingoma. Umhobe. Eyoonyana babaKora.

1Mkhulu uYehova, engowokudunyiswa kunene Emzini kaThixo wethu, entabeni yakhe engcwele.

2Intle ukuphakama kwayo, yimihlali yehlabathi lonke Intaba yaseZiyon, intlomo yasentla, Umzi woKumkani omkhulu.

3UThixo, ezingxandeni zawo ezinde, Wazélwa ukuba yingxonde.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Kuba nâbo ookumkani babenqophisene, Bawela beza kunye;

5Bakuthi ukubona, àbakhuluma; Bakhwankqa, babaleka buphuthuphuthu;

6Babanjwa khona kukuthuthumela, Kukuzibhijabhija njengozalayo.

7Ngomoya wasempumalanga Ùyazivitha iinqanawa zaseTarshishe.

8Njengoko sikuvileyo, siboné kunjalo Emzini kaYehova wemikhosi, emzini kaThixo wethu: UThixo uyawuzinzisa ngonaphakade. ***(Phakamisani.)***

9Sayikhumbula, Thixo, inceba yakho Phakathi kwetempile yakho.

10Njengoko linjalo igama lakho, Thixo, Lunjalo udumiso lwakho, Kwesa eziphelweni zehlabathi; Isandla sakho sokunene sizele bubulungisa.

11Mayivuye intaba yaseZiyon, Agcobe amagxamesi akwaYuda, Ngenxa yezigwebo zakho.

12Yijikelezeni iZiyon, niyizunguleze; Zibaleni iinqaba zayo ezinde.

13Gqalani ungqameko lomsele wayo; Candani ezingxandeni zayo ezinde; Ukuze nibalisele isizukulwana esizayo,

14Ukuba lo Thixo nguThixo wethu ngonaphakade kanaphakade, Yena uya kusikhapha kude kuse ekufeni.

IiNdumiso 49

Ubutyebi abunako ukusindisa ekufeni

Kumongameli: eyoonyana bakaKora. Umhobe.

1Yivani oku, nina nonke zizwe; Bekani indlebe, nina nonke, bemi beli phakade,

2Nina nyana boluntu, nani nyana bamadoda, Nina zityebi, nani mahlwempu kunye.

3Umlomo wam uza kuthetha ubulumko; Nokucamanga kwentliziyo yam kukuqonda.

4Ndiya kuyithobela emzekelisweni indlebe yam, Ndiya kuyivulela ngohadi intsonkotha yam.

5Ndoyikelani na emihleni yobubi, Xa ubugwenxa babandibambisayo bundijikelayo?

6Abo bakholose ngemfuyo yabo, Baqhayisa ngobuninzi bobutyebi babo.

7Akukho bani unokukhulula umzalwana; Akanakumnika uThixo isicamagusho ngaye

8(Sinqabile isikhululo somphefumlo wabo, Masincanywe ngonaphakade),

9Sokuba ahlale esidla ubomi ngamaxesha onke, Angasiboni isihogo.

10Ngokuba ubona izilumko zibhubha, Bedaka kunye abanyabileyo nezityhakala, Bayishiye nabanye imfuyo yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Imbilini yabo ithi izindlu zabo zingunaphakade. Iminquba yabo ikwizizukulwana ngezizukulwana; Bayithiya imihlaba yabo ngamagama abo.

12Ke umntu enobuhandiba akanakuhlala, Ufana neenkomo ezi zitshabalalayo.

13Yiyo le indlela yabanyabileyo, Neyâbo babalandelayo, bekholiswa ngumlomo wabo. *(Phakamisani.)*

14Babuthé ngokweegusha kwelabafileyo; Ukufa kuyabalúsa; Abathe tye bayabanyathela kwakusa; Isithomo sabo abo siyonakala kwelabafileyo, singabi nandawo yakuhlala.

15Kodwa uThixo uya kuwukhulula umphefumlo wam esandleni selabafileyo, Ngokuba eya kundithabatha. *(Phakamisani.)*

16Musa ukoyika, yakuba sisityebi indoda, Bakwànda ubuqaqawuli bendlu yayo:

17Ngokuba ekufeni kwayo ayiyi kuthabatha nento, Aluyi kuhla emva kwayo uzuko lwayo.

18Nakuba umntu ekudleni kwakhe ubomi ebewusikelela umphefumlo wakhe, Bekudumisa ngokuzichwayithisa kwakho,

19Úya kuya noko esizukulwaneni sooyise; Abayi kukubona ukukhanya naphakade.

20Ke umntu onobuhandiba, abe engaqondi, Ufana neenkomo ezi zitshabalalayo.

IiNdumiso 50

UThixo ukholiswa kukuziphatha komntu kunamadini

Umhobe ka-Asafu.

1UThixo, uThixo uYehova uyathetha; Uyalibiza ihlabathi, ethabathela ekuphumeni kwelanga esisa ekutshoneni kwalo.

2EZiyon, ukuphela kweenzwana, Uyakhazimla uThixo.

3Uyeza uThixo wethu, akayi kuthi cwaka. Kudla umlilo phambi kwakhe, Ngeenxa zonke kuye sisaqhwithi esikhulu.

4Ubiza izulu phezulu, Nehlabathi, ukuba agwebe phakathi kwabantu bakhe.

5Úthi, Bahlanganiseleni kum abam benceba, Abenzé umnqophiso nam ngombingelelo.

6Izulu lixela ubulungisa bakhe, Ngokuba uThixo eza kugweba yena. ***(Phakamisani.)***

7Yivani, bantu bam, ndithethe; Sirayeli, ndiqononondìse kuwe; NdinguThixo, uThixo wakho.

8Andikohlwayi ngenxa yemibingelelo yakho, Namadini akho anyukayo aphambi kwam amaxesha onke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Andiyi kuthabatha zinkunzi zankomo endlwini yakho, Nazinkunzi zabhokhwe esibayeni sakho.

10Ngokuba zezam zonke iinyamakazi zehlathi, Neenkomo ezisezintabeni eziliwaka.

11Iintaka zonke zasezintabeni ndiyazazi, Nento edakasa endle inam.

12Ukuba bendilambile, ndibe ndingayi kukuxelela; Ngokuba lelam elimiweyo nenzaliseko yalo.

13Ndidlè inyama yeenkunzi eziziimbalasane na? Ndisèle igazi leenkunzi zeebhokhwe na?

14Bingelela kuYehova umbulelo, Uzizalise kOsenyangweni izibhambathiso zakho;

15Ubìze mna ngemini yembandezelo, Ndikuhlangule, undizukise.

16Ke kongendawo uthi uThixo, Ùseké phi na wena ukuxela ummiselo wam, Uwuphàthe ngomlomo wakho umnqophiso wam,

17Úyithiyile nje intethiso wena, Uwaphosé nje amazwi am emva kwakho?

18Xa ubona isela, ukholana nalo, Wabelane nabakrexezi.

19Umlomo wakho ùwuyekela ebubini; Ulwimi lwakho luthungela inkohliso;

20Ùthi uhlale uthethe ngomzalwana wakho, Uhlaze umntwana kanyoko.

21Ùzenzile ezo nto, ndathi tu, Waba ndinjengawe. Ndiya kukohlwaya ndizicwangcise emehlweni akho.

22Khaniqonde ke oko, nina bamlibalayo uThixo, Hleze ndiqwenge, kungabikho uhlangulayo.

23Obingelela umbulelo uyandizukisa, Alungise indlela, Endombonisa kuyo usindiso lukaThixo.

IiNdumiso 51

Umthandazo womoni ozohlwayayo ecela ukuxolelwa

Kumongameli. Umhobe kaDavide: ekuzeni kukaNatan umprofeti kuye, emveni kokuba ebengene uBhatshebha.

1Tarhu, Thixo, ngokwenceba yakho! Ngokobuninzi benceba yakho, cima ukreqo lwam!

2Ndíxovule kunene, busuke ubugwenxa bam, Undihlambulule esonweni sam.

3Ngokuba ndiyalwazi mna ukreqo lwam, Nesono sam siphambi kwam ngamaxesha onke.

4Ndonile kuwe, kuwe wedwa, Ndênza okubi emehlweni akho; Ukuze ube lilungisa ekuthetheni kwakho, Ucace ekugwebeni kwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ùyabona, ndizalelwe ebugwenxeni, Ndakhawulwa nguma esonweni.

6Ùyabona, ùfuna inyaniso ezintsweni, Ésitheni undazisa ubulumko.

7Ndíhlambulule isono ngehisope, ndihlambulùke; Ndíxovule, ndibe mhlophe kunekhephu;

8Ndivise imihlali nemivuyo, Agcobe amathambo owacolileyo.

9Sithelisa ubuso bakho ezonweni zam, Ubucime bonke ubugwenxa bam.

10Dala phakathi kwam, Thixo, intliziyo ehlambulukileyo, Uhlaziye umoya oqinisekileyo phakathi kwam.

11Musa ukundilahla ebusweni bakho, UMoya wakho oyiNgcwele ungamsusi kum.

12Buyisela kum imihlali yosindiso lwakho, Undixhase ngomoya wentumekelelo.

13Ndobafundisa abangendawo iindlela zakho, Babuyele kuwe aboni.

14Ndíhlangule emagazini, Thixo, Thixo ondisindisayo; Lomemelela ngobulungisa bakho ulwimi lwam.

15Nkosi yam, vula imilebe yomlomo wam, Uyixéle indumiso yakho umlomo wam.

16Ngokuba akunanzé mibingelelo, bendiya kukunika; Àkalikholo kuwe amadini anyukayo.

17Imibingelelo kaThixo ngumoya owaphukileyo, Intliziyo eyaphukileyo, etyumkileyo, Thixo, akuyi kuyidela.

18Yenzele okulungileyo iZiyon ngokukholekileyo kuwe; Yakha iindonga zeYerusalem.

19Kuya kwandula ukuba mnandi kuwe imibingelelo yobulungisa, amadini apheleleyo; Ziya kwandula ukunyuswa iinkunzi ezintsha zeenkomo esibingelelweni sakho.

IiNdumiso 52

Ubungendawo buyakhalinyelwa

Kumongameli. Eyokuqiqa: ekaDavide: oko uDowegi umEdom waya waxelela uSawule, wathi kuye, UDavide ungene endlwini ka-Ahimeleki.

1Uqhayiselani na ngobubi, wena gorha? Inceba kaThixo ikho imihla yonke.

2Ulwimi lwakho lucinga ukweyelisela, Njengesitshetshe sokuguya iindevu esiloliweyo, wena mkhohlisi.

3Ùthanda okubi kunokulungileyo; Ùbuxoki, kunokuthetha ubulungisa. ***(Phakamisani.)***

4Ùthanda onke amazwi aginyayo, Lulwimindini lukhohlisayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Naye uThixo uya kukudiliza kuphele; Úya kukuxwila, akuncothule ententeni, Akudonyule ezweni labaphilileyo. ***(Phakamisani.)***

6Obona amalungisa, oyike, Amhleke, athi,

7Nanko umfo ongamenzanga igwiba lakhe uThixo, Owakholosa ngobuninzi bobutyebi bakhe, Waba nengcwangu ekweyeliseleni kwakhe.

8Ke mna ndinjengomnquma oluhlaza endlwini kaThixo; Ndikholose ngenceba kaThixo ngonaphakade kanaphakade.

9Ndiya kubulela kuwe ngonaphakade, kuba ukwenzile oku; Ndiya kuthemba igama lakho, ngokuba lilungile, phambi kwabenceba bakho.

IiNdumiso 53

Ubudenge nobungendawo babantu

Kumongameli: ngeyokhuzo. Eyokuqiqa; ekaDavide.

1Síthi isidenge entliziyweni yaso, Akukho Thixo. Bonákalisile, balisikizi ngobugqwetha babo; Akukho wenza okulungileyo.

2UThixo esemazulwini uqondele koonyana babantu, Ukubona ukuba ukho na oqiqayo, Ofuna uThixo.

3Bonke babuyé umva, bayimbozisa bephelele; Akukho wenza okulungileyo, Akukho nokuba abe mnye.

4Àbanakwazi na abasebenzi bobutshinga, Ábathi, bebadla abantu bam, bathi badla isonka, Bangamnquli uThixo?

5Apho bánkwantya benkwantyile, phofu kungekho nto inkwantyisayo; Ngokuba uThixo wawathi saa amathambo omngqingi wakho; Wabadanisa, ngokuba uThixo ebebacekisile.

6Akwaba bekuvela eZiyon ukusindiswa kwamaSirayeli! Ekubuyiseni kukaThixo abantu bakhe ekuthinjweni, Wógcoba uYakobi, avuye uSirayeli.

IiNdumiso 54

Umthandazo wokucela ukuhlangulwa kwiintshaba ezikhohlakeleyo

Eyokubethelwa ngezinto ezineentambo. Kumongameli. Eyokuqiqa. EkaDavide: ekufikeni kwabaseZifi, bathi kuSawule, UDavide akazimele phakathi kwethu na?

1Thixo, ndísindise ngegama lakho, Uligwebe ityala lam ngobugorha bakho.

2Thixo, yiva umthandazo wam; Wabekele indlebe amazwi omlomo wam.

3Ngokuba abasemzini basukela phezulu kum, Nabanobungqwangangqwili bafuna umphefumlo wam; Àbammisi uThixo phambi kwabo. ***(Phakamisani.)***

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Yabona, uThixo ngumncedi wam; INkosi yam ikwabasekela umphefumlo wam.

5Úya kubuyisela ububi kwabandilalelayo; Ngenyaniso yakho bábhangise.

6Ndiya kubingelela kuwe ngokuqhutywa yintliziyo; Ndiya kubulela kwigama lakho, Yehova, kuba lilungile.

7Ngokuba lindihlangule embandezelweni yonke; Iliso lam libonela iintshaba zam.

IiNdumiso 55

Umthandazo wokucela ukuhlangulwa nowokucela ukutshatyalaliswa kwamatshijolo

Kumongameli. Eyokubethelwa ngezinto ezineentambo. Eyokuqiqa: ekaDavide.

1Wubekele indlebe umthandazo wam, Thixo, Musa ukuzifihla esikhungweni sam.

2Ndíbazele indlebe undiphendule. Ndiyaphaphatheka ekucamngceni kwam, ndincwine,

3Ngenxa yelizwi lotshaba, Ngenxa yokuxinzelelwa phantsi ngabangendawo; Ngokuba zindiqengqela ubutshinga, Ziyandisukela ngomsindo.

4Intliziyo yam iyazibhija-bhija phakathi kwam; Izothuso zokufa zindiwele.

5Ukoyika nokuthuthumela kundingene; Ndigutyungelwe kukududuzela.

6Ndathi, Andaba bendinamaphiko njengehobe! Bendiya kubaleka ndiye ndihlale!

7Nanko ndibalekela kude, Ndilalise entlango. *(Phakamisani.)*

8Bendiya kukhawuleza, ndisinde Emoyeni ovuthuzayo naseluqhwitheleni.

9Tshabalalisa, Nkosi yam, yahlula ulwimi lwazo; Ngokuba ndiboné ukugonyamela nokubambana phakathi komzi.

10Imini nobusuku bajikeleza ezindongeni zawo; Ubutshinga nokwaphula kuphakathi kwawo;

11Ukweyelisela kuphakathi kwawo; Endaweni yembutho yawo akusuki ukuxinezela nokukhohlisa.

12Ngokuba àsilutshaba olu lundingcikivayo; Bendiya kukuthwala oko. Àsingondithiyileyo lo uzikhulisayo kum; Bendiya kusithela kuye.

13Nguwe, mntu ubungumlingane wam, Ikholwane lam endazana nalo,

14Ebesicweya kamnandi, Siye endlwini kaThixo silihlokondiba eligcobayo.

15Ukufa makubaqubule, Mabehle baye kwelabafileyo besaphilile; Ngokuba ububi busemizini yabo phakathi kwabo.

16Mna ndinqula uThixo; UYehova uya kundisindisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ngokuhlwa, nakusasa, nasemini enkulu ndiya kucamngca, ndincwine; Úya kuliva izwi lam.

18Úwukhulula umphefumlo wam unoxolo, ukuze bangasondeli kum, Ngokuba baninzi abandichasayo.

19UThixo uya kuva, abaphendule, Uselokwamandulo ehleli, *(Phakamisani.)* Abo bangenanguquko, Bangamoyikiyo uThixo.

20Babasa isandla abaxolelene nabo; Bahlambela umnqophiso wabo;

21Ubuthelezi njengamasi umlomo wabo, Ke yimfazwe intliziyo yabo. Athambile amazwi abo ngaphezu kweoli, Kanti aziintlangothi zekrele.

22Umthwalo wakho wulahlele kuYehova; yena wokuzimasa; Akayi kuliyekela ilungisa lishukunyiswe naphakade.

23Wena ke, Thixo, uya kubahlisela emngxunyeni wesihogo. Abantu bamagazi nenkohliso abayi kuyiqingathisa imihla yabo; Ke mna ndikholose ngawe.

IiNdumiso 56

Umthandazo wokuchasa iintshaba ezinobutshinga

Kumongameli; ngeyehobe elithe cwaka phakathi kwabakude. EkaDavide. Eliligugu. Ukubanjwa kwakhe ngamaFilisti eGati.

1Ndíbabale, Thixo, ngokuba abantu bendizonda; Bandixinile, besilwa yonke imini;

2Abandilalelayo bandizonda yonke imini, Ngokuba baninzi abalwa nam beziphakamisile.

3Mhlana ndinxunguphalayo mna, Ndokoholosa ngawe.

4Ndiya kulidumisa ngoThixo ilizwi lakhe, Ndikholòse ngoThixo, ndingoyiki; Inokundenza ntoni na inyama?

5Yonke imini bayawaphambanisa amazwi am; Zingam zonke iingcinga zabo zobubi.

6Baqukene, babonisele, Bona bagcine izithende zam, Ngokokuba belinde umphefumlo wam.

7Bengamatshinga nje, bosinda na? Zihlise ngomsindo izizwe, Thixo.

8Ukuphalaphala kwam ùkubhalile wena; Yitha iinyembezi zam entsubeni yakho; Àzisencwadini yakho na?

9Ziya kubuya umva ke iintshaba zam, mhlana ndibizayo; Ndiyakwazi oku, ukuba uThixo unam.

10Ndilidumisa ngoThixo ilizwi, Ndilidumisa ngoYehova ilizwi.

11Ndikholosé ngoThixo, ndingoyiki; Únokundenza ntoni na umntu?

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ziphezu kwam, Thixo, izibhambathiso zakho; Ndiya kuyizalisa kuwe imibingelelo yombulelo.

13Ngokuba uwuhlangule ekufeni umphefumlo wam, Iinyawo zam ekukhubekeni, Ukuba ndihambe phambi koThixo Ekukhanyeni kobomi.

IiNdumiso 57

Umthandazo wenkoloseko wokucela ugcino lukaThixo

Kumongameli; ngethi, Ungonakalisi. EkaDavide. Eliligugu: ekumbalekeni kwakhe uSawule emqolombeni.

1Ndíbabale, Thixo, ndibabale; Ngokuba úzímela ngawe umphefumlo wam; Ndizímela esithunzini samaphiko akho, Kude kudlule inkxwaleko.

2Ndinqula uThixo Osenyangweni, UThixo ondifezelayo.

3Úya kuthuma esemazulwini andisindise, Emngcikiva nje ondizondayo; *(Phakamisani.)* UThixo uya kuthuma inceba yakhe nenyaniso yakhe.

4Umphefumlo wam uphakathi kweengonyama; Ndiya kulala phantsi nabafutha umlilo, Oonyana babantu abamazinyo aziintshuntshe neentolo, Ulwimi lwabo lulikrele elibukhali.

5Ziphakamisele ngaphezu kwamazulu, Thixo, Lube phezu kwehlabathi lonke uzuko lwakho.

6Isibatha basilungisele iinyawo zam; Bawugobile umphefumlo wam; Bándimbela isihogo, Beyela kuso ngokwabo. *(Phakamisani.)*

7Izimasekile intliziyo yam, Thixo, izimasekile intliziyo yam; Ndiya kuvuma, ndiya kubetha uhadi.

8Vuka, luzuko lwam! Vukani, mrhubhe nohadi! Ndiya kusiphangela isifingo.

9Ndiya kubulela kuwe phakathi kwezizwe, Nkosi yam; Ndiya kukubethela uhadi phakathi kwezizwe.

10Ngokuba inkulu, yada yaya ezulwini, inceba yakho; Yada yesa esibhakabhakeni inyaniso yakho.

11Ziphakamisele ngaphezu kwezulu, Thixo, Lube phezu kwehlabathi lonke uzuko lwakho.

IiNdumiso 58

Umthandazo wokucela impindezelo phezu kwabangendawo

Kumongameli; ngethi, Ungonakalisi. EkaDavide. Eliligugu.

1Yinene na kodwa ukuba nithetha ubulungisa, nina bothixo? Nigweba oonyana babantu ngokuthe tye?

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Hayi, entliziyweni nenza ngobugqwetha; Ezweni nilinganisela ukugonyamela kwezandla zenu.

3Abangendawo baphambukile kwasesizalweni; Bandwendwile kwasesiswini abathethi bamanga.

4Banobuhlungu obunjengobuhlungu benyoka, Njengephimpi elizenza isithulu, elivingca indlebe yalo;

5Ukuze lingaliva izwi labanyangi, Lababopha ngomabophe, beziingcibi.

6Thixo, yaphula amazinyo abo emlonyeni wabo; Amabamba eengonyama ezintsha wavithe, Yehova.

7Mabaphalale njengamanzi equkuqela; Akuxuna iintolo zakhe, mazinge zicutshiwe.

8Mababe njengenkumba ehamba inyibilika, Njengemva-mbilini yomfazi, engalibonanga ilanga.

9Zingekaziva iintsasa iimbiza zenu, Nokuba ikrwada inyama, nokuba iza kuvuthwa, úyayiqweqwedisa.

10Liya kuvuya ilungisa, lakuyibona impindezelo; Liya kuzihlamba iinyawo zalo egazini longendawo,

11Athi umntu, Inene, ilungisa linesiqhamo; Inene, úkho uThixo ogwebayo ehlabathini.

IiNdumiso 59

Umthandazo wokuchasa neentshaba ezinekratshi

Kumongameli; ngethi, Ungonakalisi. EkaDavide. Eliligugu: ekuthumeleni kukaSawule, bayilinda indlu ukuba bambulale.

1Ndíhlangule ezintshabeni zam, Thixo wam, Ndíse engxondeni kwabasukela phezulu kum.

2Ndíhlangule kubasebenzi bobutshinga; Ndísindise ebantwini abanamagazi.

3Ngokuba nâbo bewulalela umphefumlo wam; Baqukana ngam ábanamandla, Kungekho lukreqo kum, kungekho sono kum, Yehova.

4Ndingenabugwenxa nje, bagidimé baxhoba. Vuka, undikhawulele, ubone.

5Wena Yehova, Thixo wemikhosi, Thixo kaSirayeli, Phapha, uzivelele zonke iintlanga; Musa ukubayeka bonke abanginizayo bengábagqithi. *(Phakamisani.)*

6Bayabuya ngokuhlwa, bayavungama njengezinja, Bawuhamba-hambe umzi.

7Nâbo belephuza amagwebu ngomlomo; Ngamakrele emlonyeni wabo; Ngokuba bathi, Kuva bani na?

8Wena, Yehova, uyabahleka, Ùyazigculela zonke iintlanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Mandla am, ndiya kulindela kuwe; Ngokuba uThixo uyingxonde yam.

10UThixo wam uya kundikhawulela ngenceba yakhe; UThixo uya kundibonisa abandilaleleyo.

11Musa ukubabulala, hleze balibale abantu bakowethu; Babhadulise ngamandla akho, ubawise, Ngweletshetshe yethu, Nkosi yethu.

12Isono somlomo wabo lilizwi lemilebe yomlomo wabo; Mababanjiswe likratshi labo, Nangenxa yokushwabula nokuhanahanisa abakuthethayo.

13Bágqibe ngobushushu; gqiba, bangabi sabakho; Baqónde ukuba uThixo ngumlawuli kwaYakobi, Wesa eziphelweni zehlabathi. *(Phakamisani.)*

14Bayabuya ngokuhlwa, bayavungama njengezinja, Bawuhamba-hambe umzi.

15Bona babhadulela ukudla; Ukuba bathe àbahlutha, balala apho.

16Ke mna, ndiya kuvuma ngamandla akho, Ndimemelele kwakusasa ngenceba yakho, Kuba ubuyingxonde kum, Nendawo endisabela kuyo ngemini yokubandezelwa kwam.

17Mandla am, ndiya kukubethela uhadi; Ngokuba uThixo yingxonde yam, nguThixo wam onenceba.

IiNdumiso 60

Isililo ngenxa yokoyiswa emfazweni nomthandazo wokucela uncedo

Kumongameli; ngeyenyibiba yesingqino. Eliligugu. EkaDavide. Eyokufundisa: ekulweni kwakhe nama-Aram phakathi kweMilambo nama-Aram aseTsobha; wabuya uYowabhi, wawabulala amaEdom emfuleni wetyuwa, âmawaka alishumi elinamabini.

1Thixo, usihlambile, wasichitha, Waqumba; ngamana wasibuyisa.

2Ulinyikimisile ilizwe, ulikrazule; Philisa iintanda zalo ngokuba lishukuma.

3Ubabonisile abantu bakho into elukhuni, Usisezé iwayini ehexisayo.

4Ubanike ibhanile abakoyikayo, Ukuba bayiphakamise ngenxa yenyaniso. ***(Phakamisani.)***

5Ukuze zihlangulwe iintánda zakho, Sindisa ngesandla sakho sokunene, undiphendule.

6UThixo uthethe engcwele: mandivuyelele, Ndimabe uShekem, ndiyilinganisele intili yaseSukoti.

7Ngowam uGiliyadi, ngowam uManase, UEfrayim sisigcina-ntloko sam, UYuda yintonga yam yommiselo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8UMowabhi sisitya sam sokuhlambela, Ndiyiphosa kuEdom imbadada yam; Filisti, nkqangaza wena ngam.

9Ngubani na owondisa emzini wamandla? Ngubani na owondikhaphela kwaEdom?

10Asinguwe na, kwawena Thixo, osihlambileyo? Àkwaphuma, Thixo, nemikhosi yethu.

11Síncede kumbandezeli wethu; Alunto yanto usindiso lomntu.

12NgoThixo siya kweyisa, Wóbagqusha yena ababandezeli bethu.

IiNdumiso 61

Ukukholosa ngogcino lukaThixo

Kumongameli; eyokubethelwa ngezinto ezineentambo. EkaDavide.

1Kuve, Thixo, ukuhlahlamba kwam; Wubazele indlebe umthandazo wam.

2Ndidanduluka kuwe ndisesiphelweni sehlabathi, ekutyhafeni kwentliziyo yam; Ndíkhaphele eweni elisemalengalengeni kum.

3Ngokuba ulihlathi lam, Uyinqaba ende eliqele phambi kotshaba.

4Ndiya kuphambukela ententeni yakho ngonaphade, Ndiya kuzímela ngesithe lamaphiko akho. *(Phakamisani.)*

5Ngokuba wena, Thixo, uzivile izibhambathiso zam; Ubaniké ilifa abaloyikayo igama lakho.

6Ùya kongeza imihla emihleni yokumkani; Iminyaka yakhe iya kuba njengezizukulwana ngezizukulwana;

7Úya kuhlala ngonaphakade phambi koThixo; Mmisele inceba nenyaniso, ukuba zimlondoloze.

8Kukhona ndiya kulibethela uhadi igama lakho ngonaphakade, Ndizizalise izibhambathiso zam imihla ngemihla.

IiNdumiso 62

UThixo ukuphela kwenqaba ekhoyo

Kumongameli. KuYedutun. Umhobe kaDavide.

1Úthozamele kuThixo kwaphela umphefumlo wam; Kuvela kuye ukusindiswa kwam.

2Nguye kwaphela iliwa lam, umsindisi wam, Ingxonde yam; andiyi kushukunyiswa kakhulu.

3Kunini na nisuka indulumbane emntwini? Kunini na nimncinitha nonke niphela, enjengodonga oluzimkayo, enjengothango oluwayo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Bagqibé kwelokuba bamtyhale bamsuse ekuphakameni kwakhe kuphele; Bakholene namanga; Basikelela elowo ngomlomo, embilinini yabo bayatshabhisa. ***(Phakamisani.)***

5Thozamela kuThixo yedwa, mphefumlo wam, Ngokuba livela kuye ithemba lam.

6Nguye kwaphela iliwa lam, umsindisi wam, Ingxonde yam; andiyi kushukunyiswa.

7KunoThixo ukusindiswa kwam nozuko lwam; Iliwa lokunqaba kwam nehlathi lam likuThixo.

8Kholosani ngaye ngamaxesha onke, nina bantu; Phalazani intliziyo yenu phambi kwakhe. UThixo ulihlathi kuthi. ***(Phakamisani.)***

9Bangumphunga kwaphela onyana boluntu, ngamanga oonyana bamadoda; Esikalini bangenyuka, Bangumphunga bephelele.

10Musani ukukholosa ngokudla abantu, Ningazenzi into engeyanto ngento exhakamfuliweyo. Yakwanda imfuyo, musani ukuyinyamekela.

11Uthethé nto-nye uThixo, Ezi zinto zimbini ndizivile: Ukuba amandla ngakaThixo,

12Nenceba yeyakho, Nkosi yam; Ngokuba uyababuyekeza, elowo ngokwezenzo zakhe.

IiNdumiso 63

UThixo ukholisa umphefumlo onxaniweyo

Umhobe kaDavide: oko ebesentlango yakwaYuda.

1Thixo, ùnguThixo wam, ndiya kukuquqela kwakusasa, Umphefumlo wam unxanele wena; inyama yam iyakulangazelela Ezweni elingumqwebedu, elibharhileyo, eligenamanzi.

2Ndenjénjalo ukukhangela kuwe engcweleni, Ukuba ndibone amandla akho nobuqaqawuli bakho.

3Ngokuba inceba yakho ilungile ngaphezu kobomi, Umlomo wam uya kukuncoma.

4Ndiya kwenjenjalo ukukubonga lo gama ndihleliyo, Ndiphakamìse izandla zam egameni lakho.

5Umphefumlo wam uhluthi umongo namanqatha; Ngemilebe yomlomo wam omemelelayo úya kukudumisa umlomo wam,

6Ndákukukhumbula emandlalweni wam, Emilindweni yobusuku ndicamanga ngawe.

7Ngokuba uluncedo kum, Ndinokumemelela esithunzini samaphiko akho.

8Umphefumlo wam uthene mbende nawe; Isandla sakho sokunene sindibambile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ke bòna bafuna umphefumlo wam ukuze batshabalale, Baya kutshona kwezisezantsi iindawo zehlabathi.

10Baphalazelwa emandleni ekrele; Baba sisabelo seempungutye.

11Ke yena ukumkani uya kuvuya ngoThixo; Baya kuqhayisa abo bonke bafunga yena; Ngokuba úya kuvingcwa umlomo wabathetha ubuxokoi.

IiNdumiso 64

Umthandazo wokuchasa iintshaba ezifihlakeleyo

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Líve, Thixo, izwi lam ekukhalazeni kwam; Ekunkwantyiseni kotshaba bulondoloze ubomi bam.

2Ndísithelise egquguleni labanobubi, Ehlokondibeni labasebenzi bobutshinga;

3Abalulola njengekrele ulwimi lwabo, Abaxuna iintolo zabo, amazwi akrakra,

4Bamtole ogqibeleleyo besentsithelweni; Bamtola ngesiquphe, bangoyiki.

5Bazomelezela ilizwi elibi, Bagqiba kwelokuba bafihle izirhintyelo, Bathi, Singábonwa ngubani na?

6Baceba ubugqwetha; Baligqibile icebo abalicebileyo; Imbilini yendoda nentliziyo yayo yinzulu.

7Ke uThixo uyabatola ngotolo; Amanxeba abo abakho ngesiquphe.

8Baya kukhutyekiswa, lufikele kwabona ulwimi lwabo; Bayahlunguzela intloko bonke abababonayo.

9Basuka boyike bonke abantu, Bawuxele umsebenzi kaThixo, Basiqiqe isenzo sakhe.

10Liya kuvuya ilungisa ngoYehova, lizímele ngaye, Baqhayise bonke abantliziyo zithe tye.

IiNdumiso 65

Umbongo kuThixo otyebisa umhlaba

Kumongameli. Umhobe kaDavide. Ingoma.

1Ukuthozama kuyindumiso kuwe, Thixo, eZiyon; Sizaliswa kuwe isibhambathiso.

2Wena mphulaphuli wemithandazo, Iza kuwe inyama yonke.

3Zindoyisile nje iindawo zobugwenxa, Ukreqo lwethu ùyaluxolela wena ngocamagushelo.

4Hayi, uyolo lomnyulayo, umsondeze Ukuba ahlale ezintendelezweni zakho! Sìya kuzihluthisa ngokulunga kwendlu yakho, Kwetempile yakho engcwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ùsiphendula ngezenzo ezoyikekayo zobulungisa, Thixo osisindisayo; Nkoloseko yeziphelo zonke zehlabathi, neyolwandle olukude;

6Ulozinzisa iintaba ngamandla akhe, Ebhinqe ubugorha;

7Ulodambisa ukugquma kweelwandle, ukugquma kwamaza azo, Nokuxokozela kwezizwe.

8Bayayoyika imiqondiso yakho abemi beziphelo zehlabathi. Ùmemelelisa ukuvela kokusa nokuhlwa.

9Ùwuvelele umhlaba, wawunyéla, Wawutyebisa kakhulu. Umjelo kaThixo uzele ngamanzi: Walungisa ingqolowa yabo, ngokuba uwenjenje ukuwulungisa.

10Useza ihluthe imisele yawo; Unyakamisa imiqela yawo. Uthambisa ngeziphango; Usikelela izilimo zawo.

11Uwuthwesile umnyaka wokulunga kwakho, Imikhondo yakho itsitsa ukutyeba.

12Ayatsitsa amakriwa entlango, Iinduli zizibhinqise umgcobo.

13Amadlelo anxibé imihlambi yeenkomo; Iintili zambethe ingqolowa. Yonke into iyaduma, yonke into iyavuma.

IiNdumiso 66

Umbongo ngenxa yemisebenzi kaThixo emangalisayo

Kumongameli. Ingoma. Umhobe.

1Dumani kuThixo, nonke hlabathi,

2Lubetheleni uhadi uzuko lwegama lakhe, Mzukiseni, mdumiseni.

3Yithini kuThixo, Hayi, ukoyikeka kwemisebenzi yakho! Ngenxa yobuninzi bamandla akho ziya kuhanahanisa kuwe iintshaba zakho.

4Lonke ihlabathi liya kukunqula, Bakubethele uhadi; Balibethele uhadi igama lakho. ***(Phakamisani.)***

5Yizani, nibone imisebenzi emikhulu kaThixo, Engowoyikekayo ekwenzeni kwakhe koonyana babantu.

6Wáluguqula ulwandle lwayinto eyomileyo; Bawuwela umlambo ngeenyawo; Apho savuya ngaye.

7Ulolawula ngobugorha bakhe ngonaphakade; Amehlo akhe ayabonisela ezintlangeni; Abaziinjubaqa mabangaziphakamisi. ***(Phakamisani.)***

8Mbongeni, zizwe, uThixo wethu, Nivakalise ilizwi lendumiso yakhe.

9Ulomisa umphefumlo wethu ebomini, Àkalunikela unyawo lwethu ekutyibilikeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ngokuba ùsicikidile, Thixo; Ùsinyibilikisile njengokunyibilikiswa kwesilivere;

11Ùsingenise emboniselweni; Ùbeke uxinzelelo esinqeni sethu;

12Ùkhwelise abantu entlokweni yethu; Singéne emlilweni nasemanzini; Waza wasikhuphela endaweni enendyebo.

13Ndiya kungena endlwini yakho ndinamadini anyukayo; Ndiya kuzizalisa kuwe izibhambathiso zam,

14Eyazivulelayo imilebe yomlomo wam, Owazithethayo umlomo wam ekubandezelweni kwam.

15Ndiya kunyusela kuwe amadini anyukayo eemvana ezityebileyo, Ndawonye nesiqhumiso seenkunzi zeegusha; Ndiya kwenza aweenkomo ndawonye naweenkunzi zeebhokhwe. ***(Phakamisani.)***

16Yizani, nive, ndinixelele, nonke nina bamoyikayo uThixo, Oko akwenzele umphefumlo wam.

17Ndadanduluka kuye ngomlomo wam; Kwaye ukubonga kuphantsi kolwimi lwam.

18Ukuba bendisekeleze ubutshinga ngentliziyo yam, INkosi yam ibingayi kuphulaphula.

19Hayi ke, uThixo uphulaphule, Úlibazéle indlebe ilizwi lomthandazo wam.

20Makabongwe uThixo, Yena ungawugxothanga umthandazo wam, Nobubele bakhe kum.

IiNdumiso 67

Zonke izizwe ziyayalwa ukuba zibonge uThixo

Kumongameli; eyokubethelwa ngezinto ezineentambo. Umhobe. Ingoma.

1Ngamana uThixo wasibabala, wasisikelela, Wabukhanyisa ubuso bakhe kuthi; *(Phakamisani.)*

2Ukuze yaziwe ehlabathini indlela yakho, Usindiso lwakho ezintlangeni zonke.

3Ngamana zabulela izizwe kuwe, Thixo, Zabulela izizwe kuwe zonke ziphela;

4Zavuya zamemelela izizwe: Ngokuba ùya kugweba phakathi kwezizwe ngokuthe tye, Uzikhaphe izizwe ehlabathini. *(Phakamisani.)*

5Ngamana zabulela izizwe kuwe, Thixo, Zabulela izizwe kuwe zonke ziphela.

6Umhlaba uyivelisile indyebo yawo; Úya kusisikelela uThixo, uThixo wethu;

7Úya kusisikelela uThixo, Zimoyike zonke iziphelo zehlabathi.

IiNdumiso 68

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ingoma yoloyiso lukaThixo

Kumongameli; ekaDavide. Umhobe. Ingoma.

1Makasuk' eme uThixo, zibe ziintsali iintshaba zakhe, Basabe ebusweni bakhe abamthiyayo.

2Njengokuphetshethwa komsi, báphephethe; Njengokunyibilika komthwebeba phambi komlilo, Mabadake ngokunjalo abangendawo ebusweni bukaThixo.

3Ke wona amalungisa makavuye, adlamke phambi koThixo, Abe nemihlali, enemivuyo.

4Vumani kuThixo, libetheleni uhadi igama lakhe; Menzeleni umendo ophakamileyo, ulokhwela ecanda ezinkqantosini, Ogama lakhe linguYehova; nidlamke phambi kwakhe.

5Uyise weenkedama, umthetheleli wabahlolokazi, NguThixo ekhayeni lakhe elingcwele.

6UThixo nguhlalisa endlwini ababebodwa, Ngukhuphela enywebeni ababanjiweyo; Ngabaziinjubaqa bodwa abahlala kwelibalelelweyo.

7Thixo, ekuphumeni kwakho úphambi kwabantu bakho, Ekunyatheleni kwakho enkangala, ***(Phakamisani.)***

8Lanyikima ihlabathi, Lavuza izulu ebusweni bukaThixo, ISinayi leya ebusweni bukaThixo, uThixo kaSirayeli.

9Walitshiza ngemvula eninzi yesisa sakho, Thixo, ilifa lakho; Lakùbharha, walizimasa wena.

10Wahlala khona umhlambi wakho, Wamlungisela olusizana ngokulunga kwakho, Thixo.

11INkosi iya kukhupha izwi elinamandla, Ube mkhulu umkhosi weentokazi ezishumayela iindaba ezilungileyo.

12OoKumkani bemikhosi baya kusaba besabile; Intokazi esele ekhaya iya kuwaba amaxhoba.

13Nakulala phantsi phakathi kweentlanti, Noxelisa amaphiko evukuthu alekwe ngesilivere, Neentsiba zalo ezalekwe ngegolide ebengezelayo.

14Ekubadubadubeni kukaSomandla ookumkani kulo, Koba mhlophe ngowekhephu eTsalimon.

15Yintaba kaThixo intaba yaseBhashan, Yintaba encopho zininzi intaba yaseBhashan.

16Niyigxeleshelani na, zintaba zincopho zininzi, Intaba ayinqweneleyo uThixo ukuba ahlale kuyo? Ewe, uYehova uya kuhlala kuyo ngonaphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Iinqwelo zokulwa zikaThixo zizigidi, ngamawaka-waka; INkosi ikuzo; yiSinayi ebungcweleni,

18Ùnyuké waya phezulu, ùthimbe abathinjwa, Ùthabathe izipho phakathi kwabantu, Naphakathi kwabaziinjubaqa, ukuba ahlale uYehova uThixo khona.

19Mayibongwe iNkosi; Ithwala imithwalo yethu imihla ngemihla; NguThixo umsindisi wethu. ***(Phakamisani.)***

20Yena uThixo kuthi nguThixo wosindiso, Kokuka Yehova, iNkosi yethu, ukukhupha ekufeni.

21Kodwa uThixo uya kuyiphalusa intloko yeentshaba zakhe, Nentloko enesihlwitha yohambayo kwizigqitho zakhe.

22Yathi iNkosi, Ndiya kuzibuyisa eBhashan, Ndiya kuzibuyisa iintshaba zakho ezinzulwini zolwandle;

23Ukuze uziphaluse, unyawo lwakho lusegazini, Nolwimi lwezinja zakho lube nesabelo salo ezintshabeni.

24Bakúbona ukunyathela kwakho, Thixo, Ukunyathela koThixo wam, koKumkani wam, esebungcweleni.

25Phambili ziimvumi, ngasemva ngababethi bohadi, Emacaleni ziintombi ezibetha iingqongqo.

26Emabandleni bongani uThixo, INkosi, nina basemthonjeni wakwaSirayeli.

27Balapho ooBhenjamin, inci yabo, umphathi wabo, Abathetheli bakwaYuda, ihlokondiba labo; Abathetheli bakwaZebhulon, abathetheli bakwaNafetali.

28UThixo wakho wakuwisela umthetho wokuba uqine; Kuqinise, Thixo, oko usenzeleyo.

29Bevela etempileni yakho eyongamele iYerusalem, OoKumkani mabeze nezithabathaba kuwe.

30Khalimela amarhamncwa asengcongolweni, Umhlambi weenkunzi eziziimbalasane, kunye namathole ezizwe, Ukuze baziwise benezijungqe zesilivere. Wazibhangisa izizwe eziyithandayo imfazwe.

31Kovela amanono eYiputa; UKushi wozolulela msinya izandla zakhe kuThixo.

32Zikumkani zehlabathi, vumani kuThixo, Niyibethele uhadi iNkosi; ***(Phakamisani.)***

33Ekhwela ecanda emazulwini awo amazulu amandulo; Nanko elikhupha ilizwi lakhe, ilizwi elinamandla.

34Mnikeni amandla uThixo; Buphezu koSirayeli ubungangamsha bakhe; Asesibhakabhakeni amandla akhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

35UloThixo woyikekayo ezingcweleni zakho. UloThixo kaSirayeli, ubanikayo amandla nokomelela abantu. Makabongwe uThixo.

IiNdumiso 69

Umthandazo wokucela ukuhlangulwa nokuphindezelwa

Kumongameli; ngeyeenyibiba. EkaDavide.

1Ndísindise, Thixo; Ngokuba amanzi andifikele, ada eza emphefumlweni.

2Nditshonile eludakeni olunzulu, akukho kuma; Ndingene emmbithini onamanzi, umsinga uyandintywilisela.

3Ndidiniwe kukudanduluka; womile umqala wam; Aphelile amehlo am; mna ndilindele kuThixo.

4Abandithiyayo ngelizé baninzi ngaphezu kweenwele zentloko yam; Baninzi abandibangisayo, abaziintshaba zam bexoka; Into endingayiphanganga bathi mandiyibuyise.

5Thixo, wena uyakwazi ukumatha kwam; Namatyala am akanakugushwa kuwe.

6Mabangadani ngam abakuthembayo, Nkosi yam, Yehova wemikhosi; Mabangangcikivwa ngam abakufunayo, Thixo kaSirayeli.

7Ngokuba ndithwele ingcikivo ngenxa yakho; Ihlazo libugqubuthele ubuso bam;

8Ndingowasemzini kubazalwana bam; Ndingowolunye uhlanga kubantwana bakama:

9Ngokuba lindidlile ikhwele ngenxa yendlu yakho: Iingcikivo zabakungcikivayo ziwé phezu kwam.

10Mna, umphefumlo wam walila, uzila ukudla; Oko kwaba yingcikivo kum.

11Oko kwaba yingcikivo kum. Iingubo zam zaba zezirhwexayo, Ndaba yinto yokuzekelisa kubo.

12Bathetha ngam abahleli esangweni; Ndiyingoma yamanxila.

13Ke mna ndithandaza kuwe, Yehova, ngexesha elikholekileyo: Thixo, ngobuninzi benceba yakho, Ndíphendule ngenyaniso yosindiso lwakho.

14Ndílangule eludakeni, ndingatshoni; Mandihlangulwe kwabandithiyayo nasemimbithini enamanzi.

15Mawungandintywiliseli umsinga wamanzi; Ingandiginyi inzulu; Iqula malingandivingceli ngomlomo walo

16Ndíphendule, Yehova, ngokuba ilungile inceba yakho, Ngangobuninzi bemfesane yakho ndíbheke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Musa ukubusithelisa ubuso bakho kumkhonzi wakho, Ngokuba ndibandezelekile; khawuleza undiphendule.

18Sondela emphefumlweni wam, uwukhulule; Ngenxa yeentshaba zam ndíkhulule.

19Wena uyakwazi ukungcikivwa kwam, nokudaniswa kwam, nokuhlazwa kwam; Baphambi kwakho bonke abandibandezelayo.

20Ingcikivo yaphula intliziyo yam, ndaphantsa ukufa; Ndathemba ukukhuzwa, akwabakho; Nokuthuthuzelwa, andakufumana.

21Ukudla bándinika inyongo; Ekunxanweni kwam bándiseza iviniga.

22Isithebe sabo phambi kwabo masibe ngumgibe; Sibe sisirhintyelo kwabanemasi.

23Makabe mnyama amehlo abo, bangaboni, Usigxadazèlise isinqe sabo amaxesha onke.

24Báphalazele ngobhavumo lwakho, Kubafikele ukuvutha komsindo wakho.

25Ingqili yabo mayibe senkangala, Ezintenteni zabo kungahlali mntu;

26Ngokuba bayamsukela obethwe nguwe, Bancokole ngomvandedwa wobahlabileyo wena.

27Yongeza ubugwenxa ebugwenxeni babo, Bangàngeni ebulungiseni bakho.

28Mabacinywe encwadini yobomi, Bangàbhalwa namalungisa.

29Ke mna ndilusizana, ndinomvandedwa; Usindiso lwakho, Thixo, malundise engxondeni.

30Ndiya kulidumisa igama likaThixo ngokuvuma, Ndilenze likhulu ngokubulela.

31Oko kuya kukholeka kuYehova ngaphezu kweenkunzi ezintsha, Ezineempondo neempuphu.

32Bebona abalulamileyo, bovuya; Nina bamquqelayo uThixo, intliziyo yenu mayiphile.

33Ngokuba uYehova uyaweva amahlwempu, Akabadeli ababanjiweyo bakhe.

34Malimdumise izulu nomhlaba, Ulwandle nento yonke enambuzelayo kulo.

35Ngokuba uThixo uya kuyisindisa iZiyon, ayakhe imizi yakwaYuda, Bahlale khona, bayimé;

36Ilidle ilifa imbewu yabakhonzi bakhe; Bahlale kuyo abalithandayo igama lakhe.

IiNdumiso 70

Umthandazo wokucela uncedo lukaThixo olukhawulezayo

Kumongameli; ekaDavide; eyokukhumbuza.

1Thixo, khawuleza undihlangule; Yehova, khawuleza undincede.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Mabadane babe neentloni abawufunayo umphefumlo wam; Mababuye umva bahlazeke abananzé ukuba ndihlelwe bububi;

3Mababuye ngenxa yomvuzo wedano labo Abathi, Tshotsho! Tshotsho!

4Mababe nemihlali bavuye ngawe bonke abakuquqelayo; Abaluthandayo usindiso lwakho Mabahlale besithi, Makenziwe mkhulu uThixo.

5Ke mna ndilusizana, ndilihlwempu; Thixo, khawuleza uze kum. Umncedi wam nomsindisi wam nguwe; Yehova, musa ukulibala.

IiNdumiso 71

Umthandazo nombongo wexhego

1Ndizímela ngawe, Yehova, Mandingaze ndidane naphakade:

2Ngobulungisa bakho ndíhlangule, ndísize; Ndíthobele indlebe yakho, undisindise.

3Yiba liliwa elilikhaya kum, ndize kulo ngamaxesha onke. Uwisé umthetho wokuba ndisindiswe, Ngokuba ingxondorha yam nemboniselo yam nguwe.

4Thixo wam, ndísize esandleni songendawo, Esandleni sogqwethayo nosisibhovubhovu.

5Ngokuba ulithemba lam, Nkosi yam, Yehova, Inkoloseko yam kwasebuncinaneni bam.

6Ndixhaswé nguwe kwasesizalweni; Nguwe owandityhobozisayo ezibilinini zikama. Indumiso yam ingawe ngamaxesha onke.

7Ndinjengesimanga kwabaninzi; Ke wena ulihlathi lam elinqabileyo.

8Umlomo wam uya kuzala yindumiso yakho, Sisihombo sakho imini yonke.

9Musa ukundilahla ngexesha lobuxhego; Musa ukundishiya akuphela amandla am.

10Ngokuba zithetha ngam iintshaba zam; Abawulindayo umphefumlo wam bayacebisana,

11Besithi, UThixo umlahlile; Msukeleni nimbambe, ngokuba akukho mhlanguli.

12Thixo, musa ukuba kude kum; Thixo wam, khawuleza undincede.

13Mabadane, bagqitywe, abawuchasayo umphefumlo wam, Bathiwe wambu yingcikivo nehlazo abafuna ukuba ndihlelwe bububi.

14Ke mna ndiya kuhlala ndilindile, Ndongeze endumisweni yakho yonke.

15Umlomo wam uya kubalisa ngemisebenzi yobulungisa bakho, Neyosindiso lwakho imini yonke, ngokuba ndingàwazi amanani ayo.

16Ndiya kuza nemisebenzi yobugorha beNkosi uYehova; Ndiya kukhankanya ubulungisa bakho, bakho wedwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

17Thixo, undifundisile kwasebuncinaneni bam; Unangoku ndiyayixela imisebenzi yakho ebalulekileyo.

18Thixo, musa ukundishiya kude kuye ebuxhegweni nasezimvini; Ndide ndiyixele ingalo yakho kwisizukulwana esitsha, Nobugorha bakho kubo bonke abaya kuza.

19Thixo, ubulungisa bakho buye bafika phezulu; Wena uzenzayo izinto ezinkulu, Thixo, ngubani na onjengawe?

20Wena, usibonisileyo iimbandezelo ezininzi ezinobubi, Ùya kubuya usiphilise, Ubuye usirhole ezinzonzobileni zamanzi ehlabathi;

21Ùya kubandisa ubukhulu bam, Ubuye wena undithuthuzele.

22Ndiya kuyibulela nokuyibulela kuwe ngomrhubhe Inyaniso yakho, Thixo wam; Ndiya kukubethela uhadi, Ngcwele kaSirayeli.

23Úya kumemelela umlomo wam, ndakùkubethela uhadi, Nomphefumlo wam owukhululeyo;

24Nolwimi lwam luya kuxela ubulungisa bakho imini yonke, Ngokuba bedanile beneentloni abafuna ukuba ndihlelwe bububi.

IiNdumiso 72

Ulawulo lokumkani olilungisa

EkaSolomon.

1Thixo, mnike ukumkani imigwebo yakho, Mnike unyana wokumkani ubulungisa bakho.

2Makagwebe ebantwini bakho ngobulungisa, Nakwabaziintsizana zakho ngokwesiko.

3Iintaba mazibathwalele uxolo abantu, Kwaneenduli zibathwalele ebulungiseni.

4Makagwebe ityala labaziintsizana ebantwini, Asindise oonyana bamahlwempu, Abatyumze abacudisi.

5Mabakoyike, ukuhlala elihleliyo ilanga Kwanenyanga, izizukulwana ngezizukulwana.

6Makehle njengemvula ehla phezu kotyani obusikwayo, Njengeziphango, njengemvula emathontsi makhulu, emhlabeni.

7Malityatyambe ngemihla yakhe ilungisa, Nobuninzi boxolo, ide ingabi sabakho inyanga.

8Makaphathe ubukhosi ethabathela elwandle ase elwandle, Ethabathela kuwo uMlambo ase eziphelweni zehlabathi.

9Baya kuguqa phambi kwakhe abemi bomqwebedu, Zikhothe uthuli iintshaba zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10OoKumkani baseTarshishe nabeziqithi baya kunika iminikelo; OoKumkani bakwaShebha nabakwaSebha baya kusondeza isithabathaba;

11Baqubude kuye bonke ookumkani, Zimkhonze sonke iintlanga.

12Ngokuba úya kulihlangula ihlwempu elizibikayo, Nabaziintsizana abangenaluncedo;

13Abenzele inceba abasweleyo nabangamahlwempu; Asindise imiphefumlo yamahlwempu;

14Akhulule imiphefumlo yawo ekuxinezelweni nasekugonyamelweni; Linqabile emehlweni akhe igazi lawo.

15Úya kuphila anikwe igolide yakwaShebha, Bahlale bemthandazela, Bamsikelele imini yonke.

16Makubekho intabalala yengqolowa ezweni, ise encotsheni yeentaba; Ukuqhama kwayo makurhashaze njengeLebhanon; Mabatyatyambe emizini yabo njengemifuno yomhlaba.

17Malibe ngunaphakade igama lakhe; Malivelise amagatya igama lakhe phambi kwelanga, Bazisikelele ngaye; Mazithi zonke iintlanga úngonoyolo.

18Makabongwe uYehova uThixo, uThixo kaSirayeli. Ulomenzi wemisebenzi ebalulekileyo yena yedwa.

19Malisikelelwe igama lakhe elizukileyo ngonaphakade, Lizale lonke ihlabathi luzuko lwakhe. Amen, amen.

20Iphelile imithandazo kaDavide unyana kaYese.

IiNdumiso 73

Impumelelo yabangendawo; ukungafani kwesiphelo sabo nesamalungisa

Umhobe ka-Asafu.

1Ulungile kwaphela uThixo kuSirayeli, Kwabantliziyo zinyulu.

2Ke mna, beziphantse ukumka iinyawo zam; Gcwizi ukutyibilika ukunyathela kwam;

3Ngokuba bendibamonela abaqhayisayo, Ndakukubona ukuphumelela kwabangendawo.

4Ngokuba àbanazintlungu ekufeni kwabo; Baphilile, batyebile umzimba wabo;

5Ebubini babantu àbakho bona; Àbakhathazwa njengabanye abantu.

6Ngako oko intamo yabo inxitywe ikratshi; Ukugonyamela kubathe wambu ngokwengubo.

7Amehlo abo avelile kukutyeba; Amabhongo eentliziyo zabo aphumela phandle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Bahlalela ngentlamba, bathetha ngokubandezela, benobubi; Bathetha iindumbisa zamazwi.

9Bawubeka ezulwini umlomo wabo, Ulwimi lwabo luhamba emhlabeni wonke.

10Ngako oko abantu babo babuyela apha; Bafinca amanzi amaninzi.

11Bathi, Únokuthini na ukwazi uThixo? Kukho ukwazi na kOsenyangweni?

12Yabona abangendawo abayá Banokuchulumacha ngonaphakade, bandile ngokutyeba.

13Sìfumane sayiqaqambisa intliziyo yethu kanti, Sazihlamba izandla zethu ngokuba msulwa;

14Ndakhathazeka imini yonke, Ukohlwaywa kwethu kwaba kokwemiso yonke.

15Ukuba bendithe, Ndiya kwenjenjalo ukuthetha, Yabona, ngendinginizile kwisizukulwana soonyana bakho.

16Ndathi ke ndakùcinga ukuba ndikwázi oko, Kwayinkohla emehlweni am;

17Ndada ndaya kungena ezingcweleni zikaThixo, Ndakúgqala ke ukuphela kwabo.

18Inene, ùbamise ezindaweni ezibuthelezi, Wabawisa baba yintshabalala.

19Hayi, ukuphanziswa kwabo ngephanyazo; Baphelile, bagqityiwe kukukhwankqa.

20Njengephupha ekuqabukeni komntu, Ekuvukeni kwakho, Nkosi, wòwudela umfanekiso wabo.

21Ukuba ndithe ndabindeka intliziyo, Ndahlabeka ezintsweni,

22Ndoba ke ndisisityhakala, ndingenakwazi; Ndoba ke ndisisilo kuwe.

23Mna ke ndihlala ndinawe; Ùndibambile ngesandla sam sokunene;

24Ùya kundikhapha ngecebo lakho. Undithabathe emveni koku, ndibe nozuko.

25Ndinabani na emazulwini? Ukuba wena ungowam, andilinanze nganto ihlabathi.

26Ingáphela inyama yam nentliziyo yam: Iliwa lentliziyo yam, nesabelo sam, nguThixo ngonaphakade.

27Ngokuba, yabona, abanyawukileyo kuwe baya kudaka; Uyababhangisa bonke abahenyuzayo, bemke kuwe.

28Mna ke, ukusondela kuThixo kulungile kum, Ndiyenza ihlathi lam iNkosi uYehova, Ukuze ndiyibalise yonke imisebenzi yakhe.

IiNdumiso 74

Ukubhuqwa kwelizwe lutshaba; umthandazo wokucela ukuhlangulwa nguThixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

Eyokuqiqa; eka-Asafu.

1Yini na Thixo, ukuba uhlale usihlambile, Uqhume umsindo wakho kwizimvu zedlelo lakho?

2Líkhumbule ibandla lakho olithengileyo kwakudala, Olikhululeyo, laba sisizwe selifa lakho; Intaba yaseZiyon, ohleli kuyo.

3Phakamisa ukunyathela kwakho, ukuya kumanxuwa ahlala ehleli: Utshaba luvivé into yonke engcweleni.

4Bábharhula ababandezeli bakho endaweni yokuhlangana phakathi; Bamisa eyabo imiqondiso, yaba yiyo eyimiqondiso.

5Kwanga kungenelwe Intshinyela yemithi ngezixengxe.

6Kungoku, uqoqo lwayo lonke Balucanda ngamazembe neengxobonga.

7Bayifaka umlilo ingcwele yakho; Bawuhlambela ngokuwuwisela emhlabeni umnquba wegama lakho.

8Bathi ezintliziyweni zabo, Siya kubanyanzelela phantsi kuphele; Bazitshisile zonke iindawo zikaThixo zokuhlangana ezweni apha.

9Imiqondiso yethu asiyiboni, Akusekho mprofeti; Kúthi akukho waziyo ukuba koda kuse phi na kunjalo.

10Kunini na, Thixo, umbandezeli engcikiva? Utshaba luhleli luligiba igama lakho?

11Usifinyezeleni na isandla sakho, nesokunene sakho? Sírhole esifubeni sakho, ulugqibe.

12Ke uThixo nguKumkani wam kwakumandulo, Ulosebenza usindiso phakathi kwehlabathi lonke.

13Nguwe owahlula ulwandle ngamandla akho, Owaphula iintloko zeengwenya emanzini.

14Nguwe owaxhaxha iintloko zeleviyatan, Wazinika zakukudla kubantu, kubemi bomqwebedu.

15Nguwe owagqobhoza yayimithombo, yayimilanjana; Nguwe owomisa imilambo engomiyo.

16Yeyakho imini, bobakho nobusuku; Nguwe owalungisa ukukhanya nelanga.

17Nguwe owamisa yonke imida yehlabathi; Ihlobo, nobusika, nguwe owazibumbayo ezo zinto.

18Khumbula oku; utshaba lungcikiva uYehova, Abantu abanobudenge baligibile igama lakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Musa ukuwunikela erhamncweni umphefumlo wehobe lakho; Ungahlali uwulibele umhlambi wakho oziintsizana.

20Bheka emnqophisweni, Ngokuba iindawo ezimnyama zelizwe zizele zizindlu zogonyamelo.

21Makangabuyi otyumkileyo ehlazisiwe; Makalidumise igama lakho olusizana nolihlwempu.

22Khawusuk' ume, Thixo, ubambane nababambene nawe; Khumbula ukukungcikiva kwesidenge yonke imini.

23Musa ukulilibala izwi lababandezeli bakho, Ukungxola kwabasukela phezulu kuwe, okuhlala kunyuka.

IiNdumiso 75

Umgwebo olungileyo kaThixo

Kumongameli; ngethi, Ungonakalisi. Umhobe ka-Asafu. Ingoma.

1Siyabulela kuwe, Thixo, siyabulela; Lisondele igama lakho; Babalisa imisebenzi yakho ebalulekileyo.

2Ngokuba ùthi, Ndiya kwenza ngexesha elimisiweyo, Mna ndiya kugweba ngokuthe tye.

3Liyetha amandla ihlabathi, nabemi balo; Ke mna, ndizizinzisile iintsika zalo. *(Phakamisani.)*

4Ndithi kubaqhayisi, Musani ukuqhayisa; Nakwabangendawo, Musani ukuphakamisa uphondo;

5Musani ukuluphakamisela phezulu uphondo lwenu, Ningathethi ngokusa, nolùle intamo.

6Ngokuba ugwebo aluveli empumalanga nasentshonalanga, Nasentlango yeentaba.

7Hayi, nguThixo ogwebayo; Úyamthoba lo, amphakamise lowa.

8Ngokuba indebe isesandleni sikaYehova, Iphuphuma igwebu lewayini, izele yephithikeziweyo. Úthulula kuyo; ewe, iintlenga zayo Ziya kuselwa zifincwe ngabangendawo bonke behlabathi.

9Ke mna ndiya kushumayela ngonaphakade, Ndiya kuvuma kuThixo kaYakobi;

10Zonke iimpondo zabangendawo ndiya kuzixakaxa, Iimpondo zelungisa ziya kuphakanyiswa.

IiNdumiso 76

Ubungangamsha bukaThixo eZiyon

© 1975 Bible Society of South Africa.

Kumongameli; eyokubethelwa ngezinto ezineentambo. Umhobe ka-Asafu. Ingoma.

1Waziwa kwaYuda uThixo, Likhulu kwaSirayeli igama lakhe.

2Umnquba wakhe waba seSalem, Nekhaya lakhe eZiyon.

3Wayaphula apho imibane yesaphetha, Ingweletshetshe, nekrele, nezixhobo zemfazwe. ***(Phakamisani.)***

4Ùkhanyile, uyingangamsha ngaphezu kweentaba zokuqwenga.

5Babhunyulwe abantliziyo iyimbalasane, Balala umlala kanye, Akazifumana izandla zawo onke amakroti.

6Ekukhalimeni kwakho, Thixo kaYakobi, Kwasindwa bubuthongo iinqwelo zokulwa namahashe.

7Unguwena wena woyikekayo; Ngubani na onokuma phambi kwakho, wakuba nomsindo?

8Emazulwini usivakalisile isigwebo; Loyika ihlabathi, lazola,

9Ekusukeni kukaThixo ukuba agwebe, Abasindise bonke abalulamileyo behlabathi. ***(Phakamisani.)***

10Ngokuba ubushushu bomntu buya kuba ngumbulelo kuwe; Ùya kuwabhinqa amasalela obushushu.

11Bhambathisani, nisizalise isibhambathiso kuYehova uThixo wenu; Bonke abamngqongileyo mabeze nezithabathaba kofanele kukoyikwa.

12Úya kunqumla ukufutha kweengànga, Uyoyikeka kookumkani behlabathi.

IiNdumiso 77

Imisebenzi emikhulu yamandulo kaThixo ekhunjulwa ngexesha lenkathazo

Kumongameli. KuYedutun. Eka-Asafu. Umhobe.

1Izwi lam lisingisa kuThixo, ndikhala; Izwi lam lisingisa kuThixo, ukuba andibekele indlebe.

2Ngemini yokubandezelwa kwam ndiquqela eNkosini yam; Isandla sam solukile ebusuku, asaqoba; Awavuma ukuthuthuzeleka umphefumlo wam.

3Ndikhumbula uThixo, ndincwine; Ndithelekelele, utyhafe umoya wam. *(Phakamisani.)*

4Ùzibambile iinkophe zamehlo am, Ndikhandiwe, andaba nakuthetha.

5Ndicinga ngemihla yamandulo, Iminyaka yasephakadeni;

6Ndiya kukhumbula ebusuku ukubetha kwam uhadi; Ndithetha nentliziyo yam, uphengulula umoya wam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ndithi, Iya kundihlamba ngonaphakade na iNkosi yam, Ingabi saphinda iphathe ngetarhu na?

8Iphelé yaphela na inceba yayo? Sígqibele na isithembiso sayo kwisizukulwana ngesizukulwana?

9UThixo ukulibele na ukubabala? Uyivingcele ngomsindo kusini na imfesane yakhe? *(Phakamisani.)*

10Ndide ndithi ke, Sisifo sam esi; Yiminyaka yesandla sokunene sOsenyangweni.

11Ndikhankanya izenzo ezincamisayo zikaYehova; Ngokuba ndikhumbula imisebenzi yakho ebalulekileyo yamandulo.

12Ndicamanga ngako konke ukusebenza kwakho, Ndithelekelele ngezenzo zakho zonke ezincamisayo.

13Thixo, isebungcweleni indlela yakho; Ngubani na onguthixo omkhulu njengoThixo wethu?

14UnguloThixo, wenza ngokubalulekileyo; Wawazísa amandla akho ezizweni,

15Wabakhulula ngengalo abantu bakho, Oonyana bakaYakobi noYosefu. *(Phakamisani.)*

16Akúbona amanzi, Thixo, Akúbona amanzi, azibhija-bhija, Ewe, agungqa amanzi enzonzobila;

17Amafu engqingqwa aphalaza amanzi, Isibhakabhaka savakalisa isandi; Ewe, iintolo zakho zahamba-hamba.

18Izwi lendudumo yakho laba sesaqhwithini, Imibane yalikhanyisa elimiweyo, Lagungqa lanyikima ihlabathi.

19Yaba selwandle indlela yakho, Nomendo wakho waba semanzini amaninzi; Àwaziwa umkhondo wakho.

20Wabakhokela njengezimvu abantu bakho, Ngesandla sooMoses noAron.

IiNdumiso 78

Inkokelo kaThixo nangona abantu bakhe bengeva

Eyokuqiqa ka-Asafu.

1Wubekeleni indlebe umyalelo wam, bantu bakowethu, Wathobeleni indlebe amazwi omlomo wam.

2Ndiya kuwuvula umlomo wam ngomzekeliso; Ndiya kumpompozisa iintsonkotha zamandulo;

3Esakuváyo sakwazi, Abasibaliseláyo oobawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Asiyi kukugusha koonyana babo; Sobalisela isizukulwana esizayo iindumiso zikaYehova, Namandla akhe, nemisebenzi yakhe ebalulekileyo awayenzayo.

5Wamisa isingqiniso kwaYakobi, Wabeka umyalelo kwaSirayeli, Awawumisela oobawo, Ukuba bawazíse oonyana babo;

6Ukuze síwazi isizukulwana esizayo, oonyana abaza kuzalwa, Basuke babalisele ababo oonyana;

7Bayàme ngoThixo, Bangazilibali izenzo ezincamisayo zikaThixo, Bayilondoloze imithetho yakhe:

8Bangabi njengooyise, Isizukulwana esiyinjubaqa, esineenkani, Isizukulwana esingayilungisanga intliziyo yaso, Esimoya unganyanisanga kuThixo.

9Oonyana bakaEfrayim, bexhobile, beziintoli ezinezaphetha, Bajika ngemini yemfazwe.

10Abawugcinanga umnqophiso kaThixo, Abavumanga ukuhamba ngomyalelo wakhe;

11Bazilibala izenzo zakhe ezincamisayo, Nezibalulekileyo zakhe awababonisayo.

12Phambi kooyise wenza ngokubalulekileyo Ezweni lamaYiputa, emhlabeni waseTsohan.

13Wàludabula ulwandle, wabaweza, Wawamisa amanzi njengemfumba.

14Wabakhapha ngelifu emini, Ngokukhanya komlilo ubusuku bonke,

15Walicanda iliwa entlango, Wabaseza amanzi anzongonzongo kakhulu;

16Wavelisa imiqukuqela yamanzi engxondorheni, Wahlisa amanzi njengemilambo.

17Baqokela noko ukona kuye, Nokumphikisa Osenyangweni emqwebedwini.

18Bamlinga uThixo ngentliziyo yabo, Ngokuwubizela umphefumlo wabo ukudla.

19Bathetha ngoThixo, bathi, Únako na uThixo ukulungisa isithebe entlango?

20Yabona, walibetha iliwa, abaleka amanzi, Yakhukula nemilanjana; Wóba nako na nokubanika ukutya, Nokubalungiselela inyama abantu bakhe?

21Weva ke uThixo, waphuphuma umsindo wakhe, Watsha umlilo kwaYakobi, Kwenyuka kwaya umsindo kwaSirayeli;

22Ngokuba bengakholwanga kuThixo, Bengakholosanga ngosindiso lwakhe.

23Waziwisela ke umthetho iingqimba zamafu ngaphezulu, Wazivula iingcango zezulu;

24Wabanisela ngemana ukuze badle, Wabanika ingqolowa yasezulwini.

25Umntu wadla isonka sOnamandla; Wabathumela umphako bada badikwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Wandulula umoya wasempumalanga ezulwini, Wawuqhuba ngamandla akhe umoya wasezantsi;

27Wabanisela inyama njengothuli, Neentaka ezinamaphiko njengentlabathi yolwandle;

28Yawa phakathi kweminquba yabo, Ngeenxa zonke emakhayeni abo.

29Badla, bahlutha kakhulu, Wabazisela ke inkanuko yabo.

30Bengekashenxi enkanukweni yabo, Kusekho ukudla kwabo emlonyeni wabo:

31Kwenyuka umsindo kaThixo waya kubo, Wabulala phakathi kwabatyebileyo babo, Wawawisa amadodana akwaSirayeli.

32Kuyo yonke loo nto bahambisa ngokona, Àbakholwa yimisebenzi yakhe ebalulekileyo.

33Wayiphelisa ke imihla yabo njengomphunga, Neminyaka yabo ngokukhwankqisa.

34Xa wathi wababulala, bamquqela; Babuya bamquqela uThixo ngenyameko,

35Bakhumbula ukuba uThixo uliliwa labo, UThixo Osenyangweni ungumkhululi wabo.

36Ke bamthomalalisa ngomlomo wabo, Bamxokisa ngolwimi lwabo;

37Intliziyo yabo ayaqina kuye, Àbanyaniseka emnqophisweni wakhe.

38Ke yena unemfesane, Uxolela ubugwenxa ngocamagushelo, akonakalisi; Wawubuyisa futhi umsindo wakhe, Akabuxhoxha bonke ubushushu bakhe.

39Wakhumbula ukuba bayinyama, Bangumoya omkayo, ongabuyiyo.

40Kukangaphi bemphikisa entlango, Bemenza buhlungu enkangala!

41Babuya bamlinga uThixo, Bamenzakalisa oyiNgcwele wakwaSirayeli.

42Àbasikhumbula isandla sakhe, Imini awabakhulula ngayo embandezelweni;

43Áwamisa ngayo imiqondiso yakhe eYiputa, Nezimanga zakhe emhlabeni waseTsohan.

44Wayiguqula imijelo yabo, yaba ligazi, Ababa nakuyisela imiqukuqela yabo yamanzi.

45Wathumela kubo iingcongconi, zabadla; Namasele, abatshabalalisa.

46Izilimo zabo wazinika iinkumbi ezinqunquthayo, Ukuxelenga kwabo wakunika iinkumbi ezandayo.

47Wawubulala ngesichotho umdiliya wabo, Nemithombe yabo ngomkhenkce.

48Wayinikela kwisichotho imfuyo yabo, Nemihlambi yabo ngemibane.

49Wathumela kubo ukuvutha komsindo wakhe, Ukuphuphuma kwawo, nokubhavuma, nembandezelo, Ibutho lezithunywa zobubi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

50Wawulungelelanisela umendo umsindo wakhe, Akawunqanda ekufeni umphefumlo wabo, Wabunikela ubomi babo kwindyikitya yokufa.

51Wababulala bonke abamazibulo eYiputa, Iintlahlela zamandla obudoda ezintenteni zakwaHam.

52Abantu bakhe wabafudusa njengezimvu, Wabaqhuba njengomhlambi entlango;

53Wabakhapha bekholosile, bengankwantyi; Ke zona iintshaba zabo lwazigubungela ulwandle

54Wabazìsa emdeni wakhe ongcwele, Kule ntaba sayizuzayo isandla sakhe sokunene.

55Wagxotha iintlanga ebusweni babo, Wazenzela amaqashiso zalilifa elicandiweyo; Izizwe zakwaSirayeli wazihlalisa ezintenteni zazo.

56Kodwa bamlinga, bamphikisa uThixo Osenyangweni, Àbazigcina izingqiniso zakhe,

57Babuya umva, banginiza njengooyise. Bajika njengesaphetha esikhohlisayo.

58Bamqumbisa ngezingánga zabo, Bamkhweletisa ngemifanekiso yabo eqingqiweyo.

59Weva uThixo, waphuphuma umsindo, Wawacekisa kakhulu amaSirayeli;

60Wawulahla umnquba waseShilo, Intente abeyimise esintwini;

61Wawanikela ekuthinjweni amandla akhe, Isihombo sakhe esandleni sombandezeli.

62Wabanikela abantu bakhe kwikrele, Umsindo wakhe waphuphumela ilifa lakhe.

63Amadodana abo adliwa ngumlilo, Iintombi zabo azagcotyelwa.

64Ababingeleli babo bawa likrele, Abahlolokazi babo àbalila.

65Yaza yavuka njengobelele iNkosi, Njengegorha elimemeleliswa yiwayini.

66Yababetha ngasemva ababandezeli bayo, Yabenza ingcikivo engunaphakade.

67Yayicekisa intente yakwaYosefu, Àyasinyula isizwe sakwaEfrayim.

68Yanyula isizwe sakwaYuda, Intaba yaseZiyon eyayithandayo.

69Yayakha njengokuphakama kwezulu ingcwele yakhe, Njengomhlaba lo awusekileyo ngonaphakade.

70Yanyula uDavide umkhonzi wayo, Yamthabatha ezibayeni zezimvu;

71Yamthabatha elandela izimvu ezanyisayo, Yamzisa ukuba aluse kwaYakobi abantu bayo, KwaSirayeli ilifa layo.

72Wabalúsa ke ngengqibelelo yentliziyo yakhe, Wabakhapha ngokwazi kwezandla zakhe.

IiNdumiso 79

© 1975 Bible Society of South Africa.

Indawo engcwele ihlanjelwe; umthandazo wokucela uncedo lukaThixo

Umhobe ka-Asafu.

[1]Thixo, iintlanga zingene elifeni lakho, Ziyenzé inqambi itempile yakho engcwele; Ziyenzé yayimiwewe iYerusalem.

[2]Izidumbu zabakhonzi bakho zizinike iintaka zezulu ukuba zizidle, Nenyama yabakho benceba ziyinike amarhamncwa elizwe.

[3]Ziliphalazile igazi labo njengamanzi ngeenxa zonke eYerusalem; Akwabakho mngcwabi.

[4]Sènziwe ingcikivo kubamelwane bethu, Isigculelo nesicukucezo kwabasingqongileyo.

[5]Kunini na, Yehova, uhleli uqumbile? Liya kuvutha njengomlilo na ikhwele lakho?

[6]Phalaza ubushushu bakho ezintlangeni ezingàkwaziyo, Ezikumkanini ezingalinquliyo igama lakho.

[7]Ngokuba zimdlile uYakobi, Zalenza inxuwa ikhaya lakhe.

[8]Musa ukubukhumbula kúthi ubugwenxa bamanyange ethu, Mayingxame isikhawulele imfesane yakho: Ngokuba siswele kakhulu.

[9]Síncede, Thixo ongumsindisi wethu, ngenxa yozuko lwegama lakho, Usihlangúle, uzixolele ngocamagushelo izono zethu ngenxa yegama lakho.

[10]Yini na ukuba iintlanga zithi kuthi, Uphi na uThixo wabo? Makwazeke ezintlangeni, emehlweni ethu, Ukuphindezelwa kwegazi labakhonzi bakho eliphalaziweyo.

[11]Makuze phambi kwakho ukugcuma kwamakhonkxwa; Ngokobukhulu bengalo yakho básalise oonyana bokufa.

[12]Yibuyisele kubamelwane bethu kasixhenxe esondweni lengubo yabo Ingcikivo yabo, abakungcikive ngayo, Nkosi.

[13]Ke thina bantu bakho, zimvu zalúswa nguwe, Siya kubulela kuwe ngonaphakade, Sibalise ngendumiso yakho kwizizukulwana ngezizukulwana.

IiNdumiso 80

Umthandazo wokucela ukuhlangulwa nguThixo, nokubuyiswa kwesidiliya sakhe

Kumongameli; ngeyeenyibiba ezingqinisayo. Ka-Asafu. Umhobe.

[1]Ulomalusi kaSirayeli, beka indlebe! Uloqhuba uYosefu njengezimvu, Ulohlala ezikerubhini, bengezela!

[2]Phambi koEfrayim noBhenjamin noManase, Vusa ubugorha bakho, Uze kusisindisa.

[3]Thixo, sibuyise, Ukhanyise ubuso bakho, sisindiswe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Yehova, Thixo wemikhosi, Kunini na uqhuma umsindo wakho ekuthandazeni kwabantu bakho?

5Ubadlisa isonka seenyembezi, Wabaseza iinyembezi ngemilinganiso.

6Ùsenzé into abaxabana ngayo abamelwane bethu; Iintshaba zethu ziyasigculela.

7Thixo wemikhosi, síbuyise, Ukhanyise ubuso bakho, sisindiswe.

8Wanyothula umdiliya eYiputa, Wagxotha iintlanga, wawutyala;

9Wahlahla phambi kwawo, Wendelisa iingcambu, wazalisa ilizwe.

10Zagutyungelwa iintaba ngumthunzi wawo, Nemisedare kaThixo ngamasebe awo.

11Wasa amasebe awo elwandle, Namagatya awo kuwo uMlambo.

12Ùzityhobozeleni na iintango zawo, Ukuze bawukhe bonke abadlula ngendlela?

13Ingulube yasehlathini iyawubhuqa, Nento edakasa endle iyawudla.

14Thixo wemikhosi, khawubuye, Uqondele usemazulwini, ubone, Uwuvelele lo mdiliya.

15Yikhusele into esiyityeleyo isandla sakho sokunene, Unyana lo uzizimaseleyo ngokwakho.

16Útshisiwe ngumlilo, uhlahliwe; Bayadaka ngokusongela kobuso bakho.

17Isandla sakho masibe phezu komfo wesandla sakho sokunene, Phezu koonyana babantu, ozizimaseleyo ngokwakho.

18Àsiyi kumka kuwe; Síphilise, silinqule igama lakho.

19Yehova, Thixo wemikhosi, sibuyise, Ukhanyise ubuso bakho, sisindiswe.

IiNdumiso 81

Ukulunga kukaThixo nokusikwa kwakhe yimfesane ngenxa yabantu bakhe abangakholwayo

Kumongameli; ngolwaseGati. Ka-Asafu.

1Memelelani kuThixo, igwiba lethu, Dumani kuThixo kaYakobi.

2Hlabani ingoma, nibethe ingqongqo, Uhadi olumnandi, kunye nomrhubhe.

3Vuthelani isigodlo ukuthwasa kwenyanga, Nokuhlangana kwenyanga, ngemini yomthendeleko wethu.

4Ngokuba ngummiselo lowo kuSirayeli, Lisiko likaThixo kaYakobi.

5Sisingqiniso awasimisayo kwaYosefu, Ekucadeni kwakhe ezweni laseYiputa; Ndeva intetho endingayaziyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ndawususa umthwalo egxalabeni lakhe; Izandla zakhe zasuka ezingobozini zokuthwala.

7Embandezelweni wadanduluka wena, ndakuhlangula; Ndakuphendula esitheni leendudumo, Ndakuvavanya emanzini aseMeribha. *(Phakamisani.)*

8Ndathi, Yivani, bantu bam, ndiqononondise kuni; Sirayeli, ukuba unokuphulaphula kum!

9Makungabikho thixo wasemzini kuwe; Unganquli thixo wolunye uhlanga.

10Ndim uYehova uThixo wakho, Okunyusileyo elizweni laseYiputa. Yàkhamisa, ndiwuzalise umlomo wakho.

11Ke abantu bam àbáliva izwi lam, USirayeli akandivumanga.

12Ndabanikela ebungqoleni beentliziyo zabo; Bahamba ngawabo amaqhinga.

13Akwaba abantu bam bebendiva, Akwaba uSirayeli ubehamba ngendlela yam!

14Bendiya kuzithoba kamsinya iintshaba zabo, Ndisibuyisele phezu kwababandezeli babo isandla sam.

15Abamthiyayo uYehova bebeya kuhanahanisa kuye, Libe ngunaphakade ixesha labo.

16Bendiya kubadlisa ingqolowa etyebileyo, Ndibahluthise ngobusi etsilini.

IiNdumiso 82

Abaphathi abaswele ubulungisa bayakhalinyelwa

Umhobe ka-Asafu.

1UThixo umi ebandleni likaThixo, Ugweba phakathi koothixo; uthi,

2Kunini na nigweba ngobugqwetha, Nibanonelela abangendawo? ***(Phakamisani.)***

3Thethani ityala losweleyo nelenkedama, Gwebelani olusizana nolihlwempu.

4Sizani osweleyo nolihlwempu, Bahlanguleni esandleni sabangendawo.

5Àbazi, abaqondi, Bahamba-hamba emnyameni; Ziyashukuma zonke iziseko zehlabathi.

6Ndithe mna, Ningoothixo, Ningoonyana bOsenyangweni nonke niphela.

7Noko niya kufa njengomntu, Niwe njengomnye kubathetheli.

8Khawusuk' ume, Thixo, gweba ehlabathini; Ngokuba ùya kuzidla ilifa wena zonke iintlanga.

IiNdumiso 83

Umthandazo wokucela ukuba uThixo aziduba-dube iintshaba zakhe

Ingoma. Umhobe ka-Asafu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]Thixo, musa ukuthi cwaka, Musa ukuthi tu, musa ukuzola, Thixo.

[2]Ngokuba nanzo iintshaba zakho zixokozela; Abakuthiyayo baphakamisa intloko.

[3]Bagqugula igqugula elinobuqhopholo ngabantu bakho, Bacebisane ngabagushiweyo nguwe.

[4]Bathi, Yizani sibethe bee shwaka, bangabi luhlanga, Lingabi sakhunjulwa igama likaSirayeli.

[5]Ngokuba bacebisana ngantliziyo-nye, Benza umnqophiso ngawe:

[6]Iintente zakwaEdom nezakwaIshmayeli, AmaMowabhi namaHagari,

[7]AmaGebhali nama-Amon nama-Amaleki, AmaFilisti kunye nabemi baseTire;

[8]Nama-Asiriya athelele kubo, Baba yingalo koonyana bakaLote. *(Phakamisani.)*

[9]Yenza kubo njengoko wenza ngako kumaMidiyan, NakuSisera, nakuYabhin esihlanjeni seKishon.

[10]Batshabalala e-Endore, Baba ngumgquba wokugalelwa emhlabeni.

[11]Bénzé bona, amanene abo ke, babe njengo-Orebhe nanjengoZebhe; Zonke iinkosi zabo zibe njengoZebha nanjengo Tsalimuna;

[12]Bona bathi, Masiwahluthe abe ngawethu amakhaya kaThixo.

[13]Thixo wam, bénzé babe njengesaqhwithi, Njengomququ phambi komoya.

[14]Njengomlilo odla ihlathi, Njengedangatye lilenya intaba,

[15]Yènjenjalo ukubasukela ngoqhwithela lwakho, Ubakhwankqise ngomoya wakho ovuthuzayo.

[16]Búzalise ubuso babo ngehlazo, Balifune igama lakho, Yehova.

[17]Mabadane bakhwankqiswe ngonaphakade, Babe neentloni, badake;

[18]Bazi ukuba wena, ugama linguYehova, unguwe wedwa Osenyangweni phezu kwehlabathi lonke.

IiNdumiso 84

Ulangazelelo lokumkhonza uThixo endlwini yakhe

Kumongameli; ngolwaseGati. Eyoonyana bakaKora. Umhobe.

[1]Hayi, ukuthandeka kweminquba yakho, Yehova wemikhosi!

[2]Umphefumlo wam ulangazelela, uyaphela kukuzilangazelela, iintendelezo zikaYehova; Intliziyo yam nenyama yam imemelela kuThixo ophilileyo.

[3]Intákana le ifumene ikhaya; Inkonjane izifumanele indlu, Apho izalela khona amathole ayo: Izibingelelo zakho, Yehova wemikhosi, Kumkani wam, Thixo wam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Hayi, uyolo lwabahlala endlwini yakho! Basaya kukudumisa. ***(Phakamisani.)***

5Hayi, uyolo lwabantu abamandla akuwe, Abakhumbula umendo oya eZiyon!

6Bephumela entilini yemithi yeBhaka, Bayenza ibe nemithombo; Ewe, imvula iyithi wambu ngentsikelelo.

7Baya besomelela ngokomelela; Babonakala phambi koThixo eZiyon, bathi,

8Yehova, Thixo wemikhosi, Wuve umthandazo wam, Wubekele indlebe, Thixo kaYakobi. ***(Phakamisani.)***

9Khangela, Thixo, ngweletshetshe yethu, Ubukhangele ubuso bomthanjiswa wakho.

10Ngokuba imini enye ezintendelezweni zakho ilungile kunewaka; Ndinyulé ukuba semnyango endlwini kaThixo wam, Kunokuhlala ngaphakathi kweentente zokungendawo.

11Ngokuba úlilanga, úyingweletshetshe uYehova uThixo, UYehova uyabábala azukise; Abahamba ngokugqibeleleyo akabavimbi nto ilungileyo.

12Yehova wemikhosi, Hayi, uyolo lomntu okholose ngawe!

IiNdumiso 85

Umthandazo wokucela inceba kaThixo nokukholosa ngaye

Kumongameli; eyoonyana bakaKora. Umhobe.

1Yehova, wabé unetarhu kwilizwe lakho. Ububabuyisa abathinjwa bakaYakobi;

2Ububuxolela ubugwenxa babantu bakho, Ubuziselela zonke izono zabo. *(Phakamisani.)*

3Ubuwufinyeza umsindo wakho ophuphumayo, Ububuya ekuvutheni komsindo wakho.

4Síbuyise, Thixo ongumsindisi wethu, Uyisuse ingqumbo yakho kuthi.

5Uya kusiqumbela ngonaphakade na? Umsindo wakho ùya kuwolulela kwizizukulwana ngezizukulwana na?

6Akuyi kubuya usiphilise na, Abantu bakho bavuye ngawe?

7Síbonise inceba yakho, Yehova, Siphe usindiso lwakho.

8Mandive oko aya kukuthetha uThixo, uYehova; Hayi, uthetha uxolo kubantu bakhe nakwabakhe benceba; Mabangabuyeli ke ekunyabeni kwabo.

9Inene, usindiso lwakhe lusondele kwabamoyikayo, Ukuze luhlale uzuko ezweni lakowethu.

10Kuya kuqubisana inceba nenyaniso, Kuya kwangana ubulungisa noxolo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Inyaniso iya kuntshula emhlabeni, Ubulungisa buqondele busemazulwini.

12Kananjalo uYehova uya kusinika okulungileyo, Ilizwe lethu lisinike indyebo yalo.

13Ubulungisa buya kuhamba phambi kwakhe, Buyigqale ngentliziyo indlela yokunyathela kwakhe.

IiNdumiso 86

Umthandazo welungisa elisenkathazweni

Umthandazo kaDavide.

1Thoba indlebe yakho, Yehova, ndíphendule, Ngokuba ndilusizana, ndilihlwempu.

2Wugcine umphefumlo wam, ngokuba ndingowenceba; Msindise, wena Thixo wam, umkhonzi wakho, Lo ukholose ngawe.

3Ndíbabale, Nkosi yam, Ngokuba ndidanduluka kuwe yonke imini.

4Wuvuyise umphefumlo womkhonzi wakho, Ngokuba umphefumlo wam ndiwuphakamisela kuwe, Nkosi yam;

5Ngokuba ùlungile wena, Nkosi yam, uxolela; Umkhulu ngenceba kubo bonke abakunqulayo.

6Wubekele indlebe umthandazo wam, Yehova, Ulibazele indlebe izwi lokutarhuzisa kwam.

7Ngemini yokubandezelwa kwam ndinqula wena, Ngokuba uya kundiphendula.

8Akukho únjengawe, Nkosi yam, phakathi koothixo; Akukho zenzo zinjengezakho.

9Zonke iintlanga owazenzayo ziya kuza ziqubude phambi kwakho, Nkosi yam, Zizukise igama lakho.

10Ngokuba ùmkhulu, wenza imisebenzi ebalulekileyo, ÙnguThixo wena wedwa.

11Ndíyalele, Yehova, indlela yakho, Ndihambe ngenyaniso yakho; Yibandakanye intliziyo yam ukuba ndiloyike igama lakho.

12Ndiya kubulela kuwe, Nkosi yam, Thixo wam, ngentliziyo yonke, Ndilizukise igama lakho ngonaphakade:

13Ngokuba inceba yakho ibe inkulu kum; Wawuhlangula umphefumlo wam kwelingaphantsi labafileyo.

14Thixo, ábakhukhumali basukéle phezulu kum; Ibandla labanobungqwangangqwili lifuna umphefumlo wam; Àbakumisi wena phambi kwabo.

15Ke wena, Nkosi yam, unguThixo onemfesane, onobabalo, Ozeka kade umsindo, omkhulu ngenceba nenyaniso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ndíbheke, undibabale; Mphe amandla akho umkhonzi wakho, Úmsindise unyana
womkhonzazana wakho.

17Ndénzele umqondiso wokulungileyo, Bawubone abandithiyayo, badane, Kuba
wena, Yehova, undincedile, wandithuthuzela.

IiNdumiso 87

Ubuqaqawuli bomzi kaThixo

Eyoonyana bakaKora. Umhobe. Ingoma.

1Useko alusekileyo lusezintabeni ezingcwele;

2Amasango eZiyon uYehova uwathanda Ngaphezu kweminquba yonke kaYakobi.

3Kuthethwa iinto ezizukileyo ngawe, Mzi kaThixo. *(Phakamisani.)*

4ORahabhi noBhabheli ndiya kubakhankanyela kwabandaziyo; Nalo elamaFilisti
nelaseTire, kunye nelakwaKushi, Aba bazalelwe khona.

5Ngokusingisele kwiZiyon, kuya kuthiwa, Lo, naló, uzalelwe kuyo, Abe yena
Osenyangweni eyizinzisa.

6UYehova uya kubàla, ekuzibhaleni izizwi, athi, Abaya bazalelwe
khona: *(Phakamisani.)*

7Baze, bevuma beqamba, bathi, Yonke imithombo yam ikuwe.

IiNdumiso 88

Umthandazo womguli onesithukuthezi

Ingoma; umhobe woonyana bakaKora; kumongameli; ngosizi, ngelidambileyo.
Owokuqiqa kaHeman umEzra.

1Yehova, Thixo ongumsindisi wam, Mhlenikweni ndikhalayo ebusuku phambi
kwakho,

2Mawuze phambi kwakho umthandazo wam; Thoba indlebe yakho ekuhlahlambeni
kwam.

3Ngokuba umphefumlo wam uhluthi zizinto ezimbi, Ubomi bam bufike
kwelabafileyo.

4Ndibalelwe kwabahla baye emhadini, Ndisuke ndanjengomfo ongenamandla.

5Ndingumkhululwa phakathi kwabafileyo, Njengababuleweyo, belele engcwabeni,
Ongasabakhumbuliyo; Bona banqunyulweyo esandleni sakho.

6Ùndibeké emhadini ongaphantsi, Ezindaweni ezimnyama, ezinzulwini.

7Ubushushu bakho bundishicilele, Ùndithobele onke amaza akho
alwayo. ***(Phakamisani.)***

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ùbashenxisele kude kum abo ndazana nabo, Ùndenzé isikizi kubo; Ndìvalelwe, andinakuphuma.

9Iliso lam liyaphela yingcinezelo. Ndidanduluka kuwe, Yehova, yonke imini, Ndizolulela kuwe izandla zam.

10Ùya kuyenzela abafileyo na imisebenzi ebalulekileyo? Kuya kuvuka abangasekhoyo, kusini na, babulele kuwe? ***(Phakamisani.)***

11Ibaliswa engcwabeni na inceba yakho? Enzonzobileni na, ukunyanisa kwakho?

12Yàziswa emnyameni na imisebenzi yakho ebalulekileyo? Bàziswa ezweni lokulibala na ubulungisa bakho?

13Ke mna, Yehova, ndizibika kuwe, Kwakusasa umthandazo wam wókuhlangabeza.

14Ùwuhlambelani na, Yehova, umphefumlo wam? Ùbusitheliselani na ubuso bakho kum?

15Ndilusizana, ndiyinto efayo kwasebuncinaneni bam, Ndithwele izothuso zakho, lindikhohlile.

16Kugqithé phezu kwam ukuvutha kwakho, Izidandathekiso zakho zindibhangisile;

17Zindijikelezile njengamanzi imini yonke, Zindizungulezile kwaphela.

18Ùmsusile kum ondithandayo nonguwethu; Abo ndazana nabo babubumnyama.

IiNdumiso 89

Umnqophiso kaThixo noDavide; ubudwayi bukaSirayeli

Eyokuqiqa kaEtan, umEzra.

1Iinceba zikaYehova ndiya kuvuma ngazo ngonaphakade, Kwizizukulwana ngezizukulwana ndiya kwazisa ukuthembeka kwakho ngomlomo wam.

2Ngokuba ndithi, Yakheka ngonaphakade inceba; Amazulu, úya kukuzinzisa kuwo ukuthembeka kwakho.

3Wathi, Ndenzé umnqophiso nomnyulwa wam, Ndifungile kuDavide umkhonzi wam:

4Ndiya kuyizimasa ngonaphakade imbewu yakho, Ndiyakhe itrone yakho kwisizukulwana ngesizukulwana. *(Phakamisani.)*

5Amazulu abulela imisebenzi yakho ebalulekileyo, Yehova, Nokuthembeka kwakho ebandleni labangcwele.

6Ngokuba ngubani na esibhakabhakeni olingana noYehova? Ngubani na ofana noYehova phakathi koonyana bakaThixo.

7UThixo ongowokungcangcazelelwa ebhungeni elikhulu labangcwele, Ongofanelwe kukoyikwa ngaphezu kwabo bonke abamngqongileyo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Yehova, Thixo wemikhosi, Ngubani na onjengawe, oluqilima, Yehova? Ukuthembeka kwakho kukungqongile.

9Nguwena mlawuli wekratshi lolwandle; Ekuphakameni kwamaza alo uyawadambisa.

10Nguwena mtyumzi kaRahabhi njengongxwelerhiweyo, Wazithi saa iintshaba zakho ngengalo yakho eqinileyo.

11Lelakho izulu, likwalelakho ihlabathi; Elimiweyo nenzaliseko yalo lasekwa nguwe.

12Umntla nomzantsi wadalwa nguwe; ITabhore neHermon zimemelela ngegama lakho.

13Yeyakho ingalo enobugorha; Síthe nkqi isandla sakho, siphakamile esokunene sakho.

14Ummiso wetrone yakho bubulungisa nokusesikweni; Inceba nenyaniso ilungiselela phambi kwakho.

15Hayi, uyolo lwabantu abakwaziyo ukuduma! Baya kuhamba ekukhanyeni kobuso bakho, Yehova.

16Baya kugcoba egameni lakho imini yonke, Baphakame ngobulungisa bakho.

17Ngokuba isihombo samandla abo nguwe; Ekuthandeni kwakho, uphondo lwethu luphakamile.

18Ngokuba ikuYehova ingweletshetshe yethu, UkoyiNgcwele kaSirayeli ukumkani wethu.

19Wakha wathetha ngombono kowenceba wakho, wathi, Ndibeké uncedo egorheni, Ndiphakamisé indodana ebantwini.

20Ndifumene uDavide umkhonzi wam; Ndimthambisile ngeoli yam engcwele,

21Esiya kuqinisela kuye isandla sam, Nengalo yam imkhaliphise.

22Utshaba aluyi kumqubula; Nonyana wobugqwetha akayi kumcinezela.

23Ndiya kubaqoba phambi kwakhe ababandezeli bakhe, Ndibaxabele abamthiyayo.

24Inyaniso yam nenceba yam inaye; Luya kuphakama uphondo lwakhe egameni lam.

25Ndiya kusisa elwandle isandla sakhe, EMilanjeni esokunene sakhe.

26Yena ukundibiza wothi, ÙnguBawo, UnguThixo wam, neliwa lokundisindisa.

27Kananjalo mna ndiya kumenza owamazibulo, Osenyangweni kookumkani behlabathi.

28Ndiya kumgcinela inceba yam ngonaphakade, Umnqophiso wam unyanise kuye;

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Ndiyìmise ngonaphakade imbewu yakhe, Netrone yakhe ibe njengemihla yamazulu.

30Ukuba bathe oonyana bakhe bawulahla umyalelo wam, Àbahamba ngamasiko am;

31Ukuba bathe bayihlambela imimiselo yam, Àbayigcina imithetho yam:

32Ndoluvelela ukreqo lwabo ngentonga, Nobugwenxa babo ngemivumbo.

33Ke yona inceba yam andiyi kuyaphula kuye, Ndingaxoki ekuthembekeni kwam.

34Andiyi kuwuhlambela umnqophiso wam, Ndiyijike into ephume emlonyeni wam.

35Ndibufungé kwakanye ubungcwele bam, ndathi, Inene, andiyi kumxokisa uDavide;

36Imbewu yakhe iya kubakho ngonaphakade, Netrone yakhe njengelanga phambi kwam.

37Iya kuqiniseka njengenyanga ngonaphakade; Ingqina lasesibhakabhakeni lithembekile. *(Phakamisani.)*

38Kwawena ùmhlambile, umcekisile, Ùmphuphumele ngomsindo umthanjiswa wakho;

39Ùthe nèthe ngumnqophiso womkhonzi wakho; Ùsidyobhile emhlabeni isithsaba sakhe.

40Ùzityhobozile zonke iintango zakhe, Ùzenze inxuwa iinqaba zakhe.

41Bayamphanga bonke abadlula ngendlela, Waba yingcikivo kubamelwane bakhe.

42Ùsiphakamisile isandla sokunene sabambandezelayo, Ùzivuyisile zonke iintshaba zakhe.

43Wabuyisa nokubuyisa uhlangothi lwekrele lakhe, Akwammisa emfazweni.

44Ùmsusile enkazimlweni yakhe, Ùyikhahlele emhlabeni itrone yakhe,

45Ùyinqumle imihla yobutsha bakhe, Wamthi wambu ngokudana. *(Phakamisani.)*

46Kunini na, Yehova, uhleli uzisithelisile, Busitsha njengomlilo ubushushu bakho?

47Khumbula ukunqamka kwam, into okuyiyo! Ubadaleleni na, baba yinto engento bonke oonyana babantu?

48Yiyiphi na indoda ehleliyo, engayi kukubona ukufa, Enokuwusindisa umphefumlo wayo esandleni selabafileyo? *(Phakamisani.)*

49Ziphi na iinceba zakho zangaphambili, Nkosi yam, Owamfungela zona uDavide ngokuthembeka kwakho?

50Khumbula, Nkosi yam, ukungcikiveka kwabakhonzi bakho; Ndithwele esifubeni sam zonke izizwe ezininzi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

51Ezingcikivayo, ziziintshaba zakho, Yehova; Ezingcikiva amanyathela omthanjiswa wakho.

52Makabongwe uYehova ngonaphakade. Amen, amen.

IiNdumiso 90

UThixo ongunaphakade uyinqaba yomntu

Umthandazo kaMoses, umfo wakwaThixo.

1Nkosi yam, ulikhaya wena kuthi, Isizukulwana ngesizukulwana.

2Kungekazalwa zintaba, Ùngekavelisi mhlaba, nazwe limiweyo, Kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni, wena unguThixo.

3Ùmbuyisela umntu eluthulini, Ùthi, Buyani, nyana babantu.

4Ngokuba iwaka leminyaka emehlweni akho Linjengemini yezolo, xa idluleyo, Linjengomlindo wasebusuku.

5Uyabakhukulisa, balale; Ngengomso babuya bahlume njengotyani.

6Ngomso butyatyamba, bubuye buhlume; Ngokuhlwa buyasikwa bome.

7Ngokuba sìyaphela ngumsindo wakho, Sikhwankqiswe bubushushu bakho.

8Ububeke ubugwenxa bethu phambi kwakho, Nesibufihlileyo ububeka ekukhanyiseleni kobuso bakho.

9Ngokuba yonke imihla yethu isangene ngokuphuphuma komsindo wakho, Siyiphelisile iminyaka yethu njengentsebezo.

10Imihla yeminyaka yethu iseminyakeni engamashumi asixhenxe; Ukuba ithe yaba mininzi kakhulu, iba yiminyaka emashumi asibhozo, Libe ke iqhayiya layo likukwaphuka nokungabi nto yanto, Ngokuba ithe phe yakhawuleza, saphaphazela semka.

11Ngubani na owaziyo amandla omsindo wakho, Nokuphuphuma kwawo, ngoko ufanele ukoyikwa ngako?

12Sázise kanye ukuyibala imihla yethu, Ukuze sizuze intliziyo elumkileyo.

13Buya, Yehova, kunini na? Uzohlwáye ngenxa yabakhonzi bakho.

14Síhluthise kwakusasa ngenceba yakho, Simemelèle, sivuye yonke imihla yethu.

15Sívuyise ngangemihla owasicinezela ngayo. Ngangeminyaka esabona ububi ngayo.

16Mayibonakale kubakhonzi bakho imisebenzi yakho, Nobungangamela bakho koonyana babo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ubumnandi bukaYehova mabube phezu kwethu. Zimasa isenzo sezandla zethu phezu kwethu, Isenzo sezandla zethu usizimase sona.

IiNdumiso 91

UThixo uyabakhusela abamthembayo

1Ohleli esitheni lOsenyangweni, Azilalise emthunzini kaSomandla,

2Úthi keYehova, Hlathi lam, Mboniselo yam, Thixo wam, endikholose ngaye!

3Ngokuba ngokwakhe uya kukuhlangula emgibeni womthiyeli, Endyikityeni yokufa eyeyelisayo.

4Wókugubungela ngeentsiba zakhe, Ùzimele phantsi kwamaphiko akhe. Likhaka, yingweletshetshe inyaniso yakhe.

5Akuyi koyikiswa zizothuso ebusuku, Nalutolo lubaleka emini;

6Nandyikitya yakufa ihamba esithokothokweni, Nasifo sibhubhisayo, sibhuqa emini enkulu.

7Kungawa iwaka ecaleni kwakho, Isigidi ngasekunene kwakho, Kodwa kungasondeli nto kuwe.

8Wòkhangela ngamehlo akho odwa, Ukubonele ukubuyekezwa kwabangendawo.

9Ngokuba nguwe, Yehova, ihlathi lam. Ùmenze Osenyangweni ikhaya lakho.

10Akuyi kuqubisana bubi nawe. Kungafiki sibetho ententeni yakho.

11Ngokuba izithunywa zakhe úziwisele umthetho ngawe, Ukuba zikugcine ezindleleni zakho zonke.

12Zokuthwala wena ngezandla zozibini, Hleze ubetheke ngonyawo lwakho etyeni.

13Wònyathela phezu kwengonyama nephimpi, Uyinyashe ingonyama entsha nenamba ngeenyawo.

14Ngokuba enamathele kum, ndomsiza; Ndimse engxondeni, ngokuba elazi igama lam.

15Wóndibiza, ndiphendule, Ndoba naye embandezelweni; Ndomhlangula, ndimzukise;

16Ndimanelise ngemihla emide, Ndimbonise ukusindisa kwam.

IiNdumiso 92

Umbongo wolungiselelo lukaThixo

Umhobe; ingoma, ngemini yesabatha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]Kulungile ukubulela kuYehova, Nokulibethela uhadi igama lakho, Wena usenyangweni;

[2]Ukuyixela kwakusasa inceba yakho, Nokunyanisa kwakho ebusuku,

[3]Ngoweentambo ezilishumi nangomrhubhe, Ngokulubetha uhadi ngofefe.

[4]Ngokuba ùyandivuyisa, Yehova, ngomsebenzi wakho, Ngezenzo zezandla zakho ndinokumemelela.

[5]Azizikhulu izenzo zakho, Yehova! Zinzulu kakhulu iingcinga zakho.

[6]Isityhakala asinakwazi; Isinyabi asikuqondi oko.

[7]Ekudubuleni kongendawo njengomfuno, Ekutyatyambeni kwabasebenzi bonke bobutshinga, Kukuze batshabalale ngonaphakade.

[8]Ke wena, Yehova, ungophezulu ngonaphakade.

[9]Ngokuba ùyabona, iintshaba zakho, Yehova, Ngokuba ùyabona, iintshaba zakho ziya kutshabalala; Baya kuchithwa-chithwa bonke abasebenzi bobutshinga.

[10]Ùyaluphakamisa uphondo lwam njengolwenqu; Ndigalélwe ioli entsha.

[11]Iliso lam liyababonela abandilalelayo, Indlebe yam iyabeva abasukela phezulu kum benobubi.

[12]Amalungisa aya kudubula njengesundu, Aya kukhula njengomsedare weLebhanon.

[13]Etyelwe nje endlwini kaYehova, Aya kutyatyamba ezintendelezweni zoThixo wethu.

[14]Aya kuhluma eselenezimvi, Aya kuba etyebile, eluhlaza;

[15]Ukuze axele ukuba uthe tye uYehova, Uliwa lam, kungekho bugqwetha kuye.

IiNdumiso 93

Ubungangamsha bukaThixo

[1]UYehova ungukumkani, uzambathise ubungangamsha; UYehova uzambathise, ubhinqe, amandla; Lizinzile ke elimiweyo, alinakushukunyiswa.

[2]Kususela koko, izinzile itrone yakho; Kususela kwaphakade, ùkho wena.

[3]Imilambo iphakamisile, Yehova, Imilambo iphakamisé isandi sayo, Imilambo iphakamisé ingxolo yayo.

[4]Ngaphezu kwezandi zamanzi amaninzi Angangamsha, ngaphezu kwamaza alwayo olwandle, Únobungangamsha phezulu uYehova.

[5]Izingqiniso zakho zinyanise kunene, Ubungcwele buyifanele indlu yakho, Yehova, imihla emide.

IiNdumiso 94

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umthandazo wokucela ukuphindezelelwa nokuhlangulwa

1Thixo wempindezelo, Yehova, Thixo wempindezelo, bengezela!

2Phakama, Mgwebi wehlabathi! Bábuyisele impatho yabo abanekratshi.

3Kunini na abangendawo, Yehova, Kunini na abangendawo bevuyelela?

4Balephuza amagwebu, bathetha ngokusa, Bayandolosa bonke abasebenzi bobutshinga.

5Batyumza abantu bakho, Yehova, Bacinezela ilifa lakho.

6Babulala umhlolokazi nowasemzini, Bancinitha inkedama.

7Bathi ke, Akaboni uYehova, Akagqali uThixo kaYakobi.

8Qondani, nina bazizityhakala ebantwini; Nina zinyabi, niya kuqiqa nini na?

9Omilisele indlebe, akayi kuva na? Obumbe iliso, akayi kukhangela na?

10Umthethisi weentlanga akayi kohlwaya na, Ulofundisa abantu ukwazi?

11UYehova ngumazi weengcinga zabantu, Ukuba zingumphunga.

12Hayi, uyolo lwendoda oyithethisayo, Yehova, Oyifundisayo ngomyalelo wakho;

13Ukuba uyizolise eziminini zobubi, Ade ambelwe isihogo ongendawo.

14Ngokuba uYehova akabalahli abantu bakhe, Akalishiyi ilifa lakhe.

15Ngokuba isiko liya kubuyela ebulungiseni, Balilandele bonke abantliziyo zithe tye.

16Ngubani na oya kusukela phezulu kubo abanobubi, ngenxa yam? Ngubani na oya kumelana nabasebenzi bobutshinga, ngenxa yam?

17Koko uYehova abe luncedo lwam, Umphefumlo wam unge uhle msinya, waya apho kuthiwa cwaka khona.

18Ukuba ndithi, Lwatyibilika unyawo lwam, Isuka inceba yakho, Yehova, indixhase.

19Ebuninzini beengcinga-ngcinga zam ngaphakathi kwam, Iintuthuzelo zakho ziyawuyolisa umphefumlo wam.

20Ingáqhelana nawe na itrone yolweyeliselo, Ebumba ububi ngommiselo?

21Bahlanganyela umphefumlo welungisa, Baligwebe igazi elimsulwa.

22Kanti ke uYehova uyingxonde kum, UThixo wam liliwa endizímela ngalo.

23Úbubuyisela phezu kwabo ubutshinga babo, Ubabhangisa ngobubi babo; Uya kubabhangisa uYehova, uThixo wethu.

IiNdumiso 95

Umbongo kuThixo; isilumkiso malunga nokungeva

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Yizani simemelele kuYehova, Sidume kwiliwa lokusindiswa kwethu.

2Masize phambi kobuso bakhe sinombulelo, Masidume kuye ngeengoma.

3Ngokuba uThixo omkhulu nguYehova, NguKumkani omkhulu ngaphezu koothixo bonke.

4Uzisesandleni sakhe iingontsingontsi zehlabathi, Neencopho zeentaba zezakhe.

5Ulolwàkhe ulwandle, nguyena walwenzayo; Nomhlaba owomileyo zawubumba izandla zakhe.

6Yizani, masiqubude, siguqe, Sithobe phambi koYehova umenzi wethu.

7Ngokuba nguThixo wethu yena, Thina ke singabantu bokwalúswa nguye, nezimvu zesandla sakhe. Namhla, ukuba ninokuliva izwi lakhe,

8Musani ukuyenza lukhuni intliziyo yenu, njengaseMeribha, Njengemini yaseMasa entlango;

9Oko bandilingáyo ooyihlo. Bandicikida, bewubona umsebenzi wam.

10Iminyaka yaba ngamashumi amané ndikruqukile sesi sizukulwana, Ndathi, Ngabantu abantliziyo zindwendwayo, Àbazazi iindlela zam bona;

11Endada ndafunga ndinomsindo, ukuthi, Inene, abasayi kungena ekuphumleni kwam.

IiNdumiso 96

UThixo makabongwe zizizwe zonke

1Vumani kuYehova ingoma entsha, Vumani kuYehova, nonke hlabathi.

2Vumani kuYehova, bongani igama lakhe, Shumayelani iimini ngeemini iindaba ezilungileyo zosindiso lwakhe.

3Balisani ezintlangeni uzuko lwakhe, Balisani ezizweni zonke imisebenzi yakhe ebalulekileyo;

4Ngokuba mkhulu uYehova, engowokudunyiswa kunene; Uyoyikeka yena ngaphezu koothixo bonke.

5Ngokuba bonke oothixo bezizwe àbanto zanto; UYehova yena wenza amazulu.

6Yindili nobungangamela phambi kwakhe, Ngamandla nokuhomba engcweleni yakhe.

7Mnikeni uYehova, nina mizalwane yezizwe, Mnikeni uYehova uzuko namandla;

8Mnikeni uYehova uzuko lwegama lakhe; Thwalani umnikelo, nize ezintendelezweni zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Mnquleni uYehova, nivethe ezingcwele, Thuthumelani phambi kwakhe, nonke hlabathi.

10Yithini ezintlangeni, UYehova ngukumkani, Liya kuzinza ngoko elimiweyo, lingashukumi, Úya kugweba phakathi kwezizwe ngokuthe tye.

11Liya kuvuya izulu, Ligcobe ihlabathi; Luya kugquma ulwandle, nenzaliseko yalo.

12Liya kudlamka ilizwe, nento yonke ekulo, Ize imemelele yonke imithi yehlathi

13Phambi koYehova, ngokuba esiza, Ngokuba esiza kugweba ihlabathi. Úya kuligweba elimiweyo ngobulungisa, Nezizwe ngokunyanisa kwakhe.

IiNdumiso 97

Amandla kaThixo abonakala esaqhwithini

1UYehova ngukumkani; liyagcoba ihlabathi, Ziyavuya iziqithi ezininzi.

2Ngamafu nesithokothoko ngeenxa zonke kuye, Bubulungisa nokusesikweni ummiso wetrone yakhe.

3Kuhamba umlilo phambi kwakhe; Ulenya ababandezeli bakhe ngeenxa zonke.

4Ikhanyisa elimiweyo imibane yakhe; Ùyabona umhlaba, uzibhija-bhije.

5Iintaba zinyibilika njengomthwebeba phambi koYehova, Phambi kweNkosi yehlabathi lonke.

6Izulu lixela ubulungisa bakhe, Zilubone uzuko lwakhe zonke izizwe.

7Badanile bonke abakhonza umfanekiso oqingqiweyo, Abaqhayisa ngeento ezingento; Bayamnqula bonke oothixo.

8Iyeva, iyavuya iZiyon, Ziyagcoba iintombi zakwaYuda, Ngenxa yemigwebo yakho, Yehova.

9Ngokuba nguwe, Yehova, Osenyangweni phezu kwehlabathi lonke; Ùnyukile kunene ngaphezu koothixo bonke.

10Bathandi bakaYehova, kuthiyeni okubi. Umgcini wemiphefumlo yabenceba bakhe Úya kubahlangula esandleni sabangendawo.

11Ukukhanya likuhlwayelelwe ilungisa, Novuyo baluhlwayelelwe abantliziyo zithe tye.

12Vuyani ngoYehova, malungisa, Nibulele isikhumbuzo sakhe esingcwele.

IiNdumiso 98

UThixo makabongwe ngenxa yobulungisa bakhe

Umhobe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Vumani kuYehova ingoma entsha, Ngokuba wenzé imisebenzi ebalulekileyo;
Símzuzele uloyiso isandla sakhe sokunene, nengalo yakhe engcwele.

2Ulwazisile uYehova usindiso lwakhe, Ubutyhilile emehlweni eentlanga ubulungisa
bakhe.

3Ukhumbulé inceba yakhe nokunyanisa kwakhe kwindlu kaSirayeli; Zilubonile zonke
iziphelo zehlabathi usindiso loThixo wethu.

4Dumani kuYehova, nonke hlabathi, Gqobhokelani ekumemeleleni, nibethe uhadi.

5Mbetheleni uhadi uYehova, Uhadi nelizwi lengoma;

6Ngamaxilongo nezwi lesigodlo Dumani phambi koKumkani uYehova.

7Malugqume ulwandle nenzaliseko yalo, Elimiweyo nabemi balo.

8Imilambo mayibethe izandla, Zimemelele kunye iintaba

9Phambi koYehova, ngokuba esiza kugweba ihlabathi. Uya kuligweba elimiweyo
ngobulungisa, Izizwe ngokuthe tye.

IiNdumiso 99

Umbongo kuThixo

1UYehova nguKumkani, ziyagungqa izizwe; Ulohlala ekerubhini, liyashukuma
ihlabathi.

2UYehova mkhulu eZiyon; Uphakamile ngaphezu kwezizwe zonke.

3Baya kulibulela igama lakho elikhulu eloyikekayo; Ngokuba úngcwele yena.

4Amandla okumkani athanda okusesikweni; Ùwazimasile wena ngokuthe tye; Wenzé
okusesikweni nobulungisa kwaYakobi wena.

5Mphakamiseni uYehova, uThixo wethu, Niqubude esitulweni seenyawo zakhe;
Ngokuba úngcwele yena.

6OoMoses noAron phakathi kwababingeleli bakhe, NoSamuweli phakathi
kwabalinqulayo igama lakhe, Baye bebiza kuYehova, wabaphendula yena.

7Wathetha kubo esemqulwini welifu; Bazigcina izingqino zakhe, Nommiselo
awabanika wona.

8Yehova, Thixo wethu, wabaphendula wena, Waba nguThixo oxolelayo kubo,
Ongoziphindezelayo iintlondi zabo.

9Mphakamiseni uYehova, uThixo wethu, Niqubude entabeni yakhe engcwele;
Ngokuba ungcwele uYehova uThixo wethu.

IiNdumiso 100

Mkhonzeni uYehova nivuya

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umhobe wombingelelo wokubulela.

[1]Dumani kuYehova, nonke hlabathi.

[2]Mkhonzeni uYehova nivuya; Yizani phambi kwakhe nimemelela.

[3]Yazini ukuba uYehova nguThixo yena; Wasenza yena, àsisithi; Sìngabantu bakhe nezimvu ezalùswa nguye.

[4]Ngenani emasangweni akhe nibulela, Ezintendelezweni zakhe nidumisa; Bulelani kuye, bongani igama lakhe.

[5]Ngokuba uYehova ulungile, Inceba yakhe ingunaphakade, Ukunyaniseka kwakhe kukwizizukulwana ngezizukulwana.

IiNdumiso 101

Ukuzimisela komphathi ukuba abe lilungisa

EkaDavide. Umhobe.

[1]Ndiya kuvuma ngenceba nangomgwebo; Ndiya kukubethela uhadi, Yehova.

[2]Ndiya kuqiqa indlela yengqibelelo; Ùya kuza nini na kum? Ndiya kuhamba ngengqibelelo yentliziyo yam Phakathi kwendlu yam.

[3]Andiyi kubeka phambi kwamehlo am Nto inobutshijolo. Ukwenza ngokunxaxha ndikuthiyile, Akuyi kunamathela kum.

[4]Intliziyo ejibilizayo iya kukhwelela kude kum; Into embi andiyi kuyazi.

[5]Omhlebayo ummelwane wakhe ngasese, Lowo ndiya kumbhangisa. Omehlo aqwayingileyo, ontliziyo igungubeleyo, Lowo andinakumthwala.

[6]Amehlo am akwabanyanisayo ezweni, Ukuba bandiphahle; Ohamba ngendlela yengqibelelo, Lowo makandilungiselele.

[7]Akayi kuhlala phakathi kwendlu yam Owenza inkohliso; Othetha ubuxoki akayi kuqina Phambi kwamehlo am.

[8]Imiso ngemiso, ndiya kubabhangisa Bonke abangendawo belizwe, Ukuze ndibanqumle emzini kaYehova Bonke abasebenzi bobutshinga.

IiNdumiso 102

Umthandazo wobandezelekileyo ezicelela inceba yena neZiyon

Umthandazo wolusizana xa atyhafileyo, ephalaza iinkalazo zakhe phambi koYehova.

[1]Yehova, wuve umthandazo wam, Kufike kuwe ukuzibika kwam.

[2]Musa ukubusithelisa ubuso bakho kum ngemini yokubandezelwa kwam, Ndíthobele indlebe yakho; Ngemini endidanduluka ngayo khawuleza undiphendule.

[3]Ngokuba iyaphela imihla yam njengomsi; Amathambo am avutha njengeziko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ibethwé yoma njengomfuno intliziyo yam, Ngokuba ndilibele nokudla ukudla kwam.

5Ngenxa yezwi lokugcuma kwam Amathambo am atshele enyameni yam.

6Ndifana nengcwangube yentlango, Ndinjengesikhova sasemanxoweni.

7Andilali; Ndinjengentaka eyodwa phezu kwendlu.

8Imini yonke ziyandingcikiva iintshaba zam, Abandigezelayo bathuka ngam.

9Ngokuba ndidlé uthuthu njengesonka, Into endiyiselayo ndiyiphithikezé nezililo,

10Ngenxa yokubhabhama kwakho noburhalarhume bakho; Ngokuba ùndifunqule wandilahla.

11Imihla yam injengokoluka kwamathunzi; Mna ndomile njengomfuno.

12Ke wena, Yehova, uhleli ngonaphakade, Inkumbuzo yakho ikwizizukulwana ngezizukulwana.

13Ùya kusuk' ume, uyiphathe iZiyon ngemfesane; Ngokuba lixesha lokuyibabala eli, ngokuba lifikile ixesha elimisiweyo.

14Ngokuba abakhonzi bakho bakholiswe ngamatye ayo, Uthuli lwayo banofefe ngalo.

15Ziya kuloyika iintlanga igama likaYehova, Nookumkani bonke behlabathi ubuqaqawuli bakho;

16Ngokuba eyakhile iZiyon uYehova, Wabonakala ebuqaqawulini bakhe.

17Uwubhekile umthandazo wabachushuluzayo, Àkawudela umthandazo wabo.

18Oko kuya kubhalelwa isizukulwana esizayo, Abantu abaza kudalwa badumise uYehova.

19Ngokuba úqondele, esendaweni yakhe ephezulu engcwele; Wondela ehlabathini esemazulwini uYehova,

20Ukuba akuve ukugcuma kwabakhonkxiweyo, Abakhulule oonyana bokufa;

21Bancokole eZiyon ngegama likaYehova, Ngendumiso yakhe eYerusalem;

22Ekubuthelaneni kwezizwe ndawonye, Nezikumkani, ukuba zikhonze uYehova.

23Úwathobile endleleni amandla am, Uyinqamle imihla yam.

24Ndithi, Thixo wam, musa ukundisusa phakathi kwemihla yam. Ikwizizukulwana ngezizukulwana iminyaka yakho.

25Waliseka kudala ihlabathi; Lisisenzo sezandla zakho izulu.

26Ezo zinto ziya kudaka, wena ke ume; Zona zonke ziya konakala njengengubo, Wòzigugisa njengesambatho, ziguge;

27Ke wena uhleli unguwe, Iminyaka yakho ayinakuphela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Oonyana babakhonzi bakho baya kuhlala, Imbewu yabo izimasèke phambi kwakho.

IiNdumiso 103

Umbongo wemfesane kaThixo

EkaDavide.

1Mbonge uYehova, mphefumlo wam, Ilibonge igama lakhe elingcwele into yonke engaphakathi kwam.

2Mbonge uYehova, mphefumlo wam, Ungayilibali yonke impatho yakhe entle:

3Uloxolela bonke ubugwenxa bakho; Ulophilisa zonke izifo zakho;

4Ulokhulula ubomi bakho esihogweni, Akuthi jize ngenceba nemfesane;

5Lo uwuzalisayo umlomo wakho ngento elungileyo, Buhlaziyeke ubutsha bakho njengobokhozi.

6NguYehova umenzi wemisebenzi yobulungisa, Nezigwebo ngenxa yabacudisiweyo bonke;

7Umazisi weendlela zakhe kuMoses, Wezenzo zakhe ezincamisayo koonyana bakaSirayeli.

8Unemfesane enobabalo uYehova, Uzeka kade umsindo, mkhulu ngenceba.

9Akaphiki kuphele, Akawugcini umsindo ngonaphakade.

10Akenzi kuthi ngokwezono zethu, Akasiphathi ngokobugwenxa bethu;

11Ngokuba injengokuphakama kwezulu phezu komhlaba, Ukuba namandla, inceba yakhe kwabamoyikayo;

12Kunjengokuba kude kwempumalanga entshonalanga, Ukulukhwelelisa kwakhe kuthi ukreqo lwethu;

13Kunjengokusikwa yimfesane koyise kubantwana, Ukusikwa yimfesane kukaYehova kwabamoyikayo.

14Ngokuba ùyakwazi yena ukubunjwa kwethu, Ekhumbula ukuba siluthuli.

15Hayi, umntu! Injengotyani imihla yakhe; Njengentyantyambo yasendle, kunjalo ukutyatyamba kwakhe.

16Xa uthe umoya wadlula kuyo, ayibikho, Ingabi sazana nayo indawo yayo.

17Ke yona inceba ka Yehova ikwabamoyikayo, kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni, Nobulungisa bakhe bukoonyana boonyana;

18Kwabawugcinileyo umnqophiso wakhe, Kwabazikhumbulayo iziyalezo zakhe ukuba bazenze.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19UYehova uyizinzisile emazulwini itrone yakhe, Ubukumkani bakhe bulawula into yonke.

20Mbongeni uYehova, nina zithunywa zakhe, Magorha omeleleyo, alenzayo ilizwi lakhe, Ephulaphula isandi selizwi lakhe.

21Mbongeni uYehova, nonke mikhosi yakhe, Balungiseleli bakhe, benzi bokuthanda kwakhe.

22Mbongeni uYehova, nonke zenzo zakhe, Ezindaweni zonke zobukumkani bakhe. Mbonge uYehova, mphefumlo wam.

IiNdumiso 104

Ubuqaqawuli bukaThixo endalweni

1Mbonge uYehova, mphefumlo wam. Yehova, Thixo wam, umkhulu kakhulu; Wàmbethe indili nobungangamela.

2Ulothi wambu ukukhanya njengengubo, Ulolaneka izulu njengelengalenga lentente;

3Ulohlanganisa emanzini imiqadi yamagumbi akhe aphezulu; Ulowenza amafu inqwelo yakhe, Ulohamba ngamaphiko omoya;

4Ulowenza izithunywa zakhe imimoya, Abalungiseleli bakhe umlilo olenyayo.

5Wáliseka ihlabathi phezu kwemimiso yalo, Ukuba lingashukunyiswa naphakade kanaphakade.

6Wáligubungela ngamanzi anzongonzongo njengesambatho, Ema amanzi phezu kweentaba.

7Ekukhalimeni kwakho asaba, Ezwini lendudumo yakho abaleka buphuthuphuthu;

8Kwenyuka iintaba, kwehla izihlambo, Aya kuloo ndawo ubuwasekele yona.

9Wàmisa umda ukuba angegqithi, Angabuye awugubungele umhlaba.

10Ulothuma imithombo iye ezihlanjeni; Ihamba phakathi kweentaba;

11Iseza zonke iinyamakazi zasendle; Amaesile asendle aqabula inxano lawo.

12Kuhlala phezu kwayo iintaka zezulu, Zitsholoza phakathi kwamasebe;

13Uloseza iintaba kumagumbi akhe aphezulu; Uyahlutha umhlaba ziziqhamo zezenzo zakho.

14Ulontshulisela iinkomo utyani, Nomfuno wokunceda umntu; Ukuze kuphume isonka emhlabeni.

15Iwayini iyivuyise intliziyo yomntu; Bukhazimle ubuso ngeoli, Isonka siyixhase intliziyo yomntu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Iyahlutha imithi kaYehova, Imisedare yaseLebhanon awayityalayo,

17Apho zakhela khona iintaka; Ingwamza, isemisipresini indlu yayo.

18Iintaba zona ezo ziphakamileyo zezamagogo, Amawa azímela iimbila.

19Inyanga wayenzela amaxesha ayo, Ilanga liyakwazi ukutshona kwalo.

20Wènza ubumnyama wena, kube sebusuku, Ashukume ngabo onke amarhamncwa ehlathi.

21Iingonyama ezintsha zigqumela ukuqwenga, Zifuna ukudla kwazo kuThixo.

22Lakuthi chapha ilanga, ziyahlanganisana, Zibuthume ezikhundleni zazo.

23Úyaphuma umntu aye emsebenzini wakhe Nasenkonzweni yakhe, ahlwise.

24Hayi, ukuba zininzi izenzo zakho, Yehova! Zonke ziphela uzenzé ngobululumko; Ùzele umhlaba zizidalwa zakho.

25Nâlo ulwandle lulukhulu, lubanzi ngeenxa zombini; Kulapho kuzinambuzane zingenakubalwa, Ezincinane kwanezikhulu izinto eziphilileyo.

26Kulapho kuhamba iinqanawa; Nango umnenga owawubumbela ukudlala kulo.

27Zonke ezo nto ziphela zikhangele kuwe, Ukuba uzìnike ukudla kwazo ngexesha elililo.

28Ùyazinika, ziyachola; Ùyasivula isandla sakho, ziyahlutha kokulungileyo.

29Ùyabusithelisa ubuso bakho, ziyakhwankqiswa; Ùyawuhlanganisa umoya wazo, ziphume umphefumlo, Zibuyèle eluthulini lwazo.

30Ùthuma umoya wakho, ziyadalwa, Ubuhlaziye ubuso bomhlaba.

31Ubuqaqawuli bukaYehova mabube ngunaphakade; UYehova makavuye ngezenzo zakhe;

32Ulobheka emhlabeni, uzamazame; Uchukumisa iintaba, ziqhume.

33Ndiya kuvuma kuYehova lo gama ndidla ubomi, Ndiya kumbethela uhadi uThixo wam ekubeni ndingokhoyo.

34Makube nencasa kuye ukucamngca kwam; Mna ndiya kuvuya ngoYehova.

35Mabagqitywe ehlabathini aboni, Bangabi sabakho abangendawo. Mbonge uYehova, mphefumlo wam, Haleluya!

IiNdumiso 105

Imisebenzi emangalisayo kaThixo ngenxa kaSirayeli

1Bulelani kuYehova, nqulani igama lakhe; Yazisani ezizweni izenzo zakhe ezincamisileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Vumani kuye, mbetheleni uhadi; Xoxani ngemisebenzi yakhe yonke ebalulekileyo.

3Qhayisani ngegama lakhe elingcwele; Mayivuye intliziyo yabamquqelayo uYehova.

4Ngxamelani uYehova namandla akhe; Funani ubuso bakhe ngamaxesha onke.

5Khumbulani imisebenzi yakhe ebalulekileyo awayenzayo, Izimanga zakhe, nezigwebo zomlomo wakhe,

6Mbewu ka-Abraham, yomkhonzi wakhe, Nyana bakaYakobi, banyulwa bakhe.

7NguYehova uThixo wethu yena; Zisehlabathini lonke izigwebo zakhe.

8Úwukhumbula ngonaphakade umnqophiso wakhe, Ilizwi awalimisela iwaka lezizukulwana;

9Awanqophisana ngalo noAbraham, Awalifungela uIsake;

10Awalimisayo ukuba libe ngummiselo kuYakobi, Libe ngumnqophiso ongunaphakade kuSirayeli;

11Esithi, Ndikunika ilizwe lakwaKanan, Libe licandelo lelifa lenu;

12Besengamadoda ambalwa, Bebancinane, bengabaphambukeli kulo.

13Babehamba besuka kolunye uhlanga, baye kolunye uhlanga, Besuka kobunye ubukumkani, baye kwabanye abantu.

14Akavumelanga mntu ukuba abacudise, Wohlwaya ookumkani ngenxa yabo;

15Esithi, Musani ukubachukumisa abathanjiswa bam, Musani ukubaphatha kakubi abaprofeti bam.

16Wabiza indlala, yeza phezu kwelizwe, Wawaphula wonke umsimelelo osisonka.

17Wathuma indoda phambi kwabo; Kwathengiswa ngoYosefu, waba likhoboka.

18Bazicinezela iinyawo zakhe ngamakhmandela, Wafika umphefumlo wakhe esinyithini;

19Kwada kwalixesha lokufika kwelizwi lakhe, Intetho kaYehova yamnyibilikisa.

20Ukumkani wathuma, wamkhulula, Umlawuli wezizwe wamvulela;

21Wamenza inkosi yendlu yakhe, Umlawuli wemfuyo yakhe yonke,

22Ukuba abakhonkxe abathetheli bakhe ngokuzithandela kwakhe, Amadoda akhe amakhulu awafùndise ubulumko.

23Waza uSirayeli waya eYiputa, UYakobi waphambukela ezweni lakwaHam.

24Wabaqhamisa kakhulu abantu bakhe, Wabomeleza ngaphezu kwababandezeli babo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Wazijika iintliziyo zabo, ukuba babathiye abantu bakhe, Babaqhathanisele abakhonzi bakhe.

26Wathuma uMoses, umkhonzi wakhe, NoAron awamnyulayo.

27Bazenza kubo iindawo zemiqondiso yakhe, Nezimanga zakhe ezweni lakwaHam.

28Wathumela ubumnyama, kwaba mnyama; Ababa nakuwaphikisa amazwi akhe.

29Wawaguqula amanzi abo, aba ligazi, Wazibulala iintlanzi zabo.

30Ilizwe labo lanyakazela amasele Ezingontsini zookumkani babo.

31Wathetha, zafika izibawu, Iingcongconi, emideni yabo yonke.

32Wabanika isichotho, saba yimvula; Umlilo walenya ezweni labo.

33Wayibetha imidiliya yabo nemikhiwane yabo, Wayishwaqa imithi yemida yabo.

34Wathetha, kwafika iinkumbi ezandayo, Nezikhothululayo, into engenakubalwa;

35Zayidla imifuno yonke ezweni labo, Zazidla iziqhamo zomhlaba wabo.

36Waza wababulala bonke abamazibulo ezweni labo, Intlahlela yamandla abo onke.

37Wabakhupha ke abakhe benesilivere negolide, Akwabakho ukhubekayo ezizweni zakhe.

38Lavuya iYiputa ekuphumeni kwabo, Ngokuba lifikelwe kukunkwantyisa kwabo.

39Waneka ilifu lokubasitha, Nomlilo wokukhanyisa ebusuku.

40Babiza, wazisa izagwityi, Wabahluthisa nangesonka sasezulwini.

41Wavula iliwa, abaleka amanzi, Ahamba engumlambo emqwebedwini.

42Ngokuba wakhumbula ilizwi lakhe elingcwele, Wakhumbula uAbraham umkhonzi wakhe.

43Wabakhupha abantu bakhe benemihlali, Abanyulwa bakhe bememelela.

44Wabanika amazwe eentlanga, Bayihlutha inzuzo yokwaphuka kwezizwe,

45Ukuze bayigcine imimiselo yakhe, Bayibambe imiyalelo yakhe. Haleluya!

IiNdumiso 106

Ukona kukaSirayeli nokulunga kukaThixo

1Haleluya! Bulelani kuYehova, ngokuba elungile, Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

2Ngubani na onokuzixela izenzo zobugorha bukaYehova, Onokuyivakalisa yonke indumiso yakhe?

3Hayi, uyolo lwabaligcinayo isiko, Lwabenza ubulungisa ngamaxesha onke!

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ndíkhumbule, Yehova, ekwenzeni kwakho isisa kubantu bakho; Ndíyelele ngosindiso lwakho,

5Ukuze ndibone inyhweba yabanyulwa bakho, Ndivuye ekuvuyeni kohlanga lwakho, Ndiqhayise kunye nelifa lakho.

6Sonile, thina noobawo; Senzé ubugwenxa, senzé okungendawo.

7Oobawo abayiqiqanga eYiputa imisebenzi yakho ebalulekileyo; Ababukhumbulanga ubuninzi beenceba zakho; Baphika elwandle, eLwandle oluBomvu.

8Wábasindisa ngenxa yegama lakhe, Ukuze abazíse ubugorha bakhe.

9Walukhalimela uLwandle oluBomvu, loma, Wabahambisa emanzini anzongonzongo kwanga kusentlango.

10Wabasindisa esandleni sobathiyayo, Wabakhulula esandleni sotshaba.

11Amanzi abagubungela ababandezeli babo, Akwasala namnye kubo.

12Bakholwa ke ngamazwi akhe, Bayivuma indumiso yakhe.

13Kanti bahle bazilibala izenzo zakhe, Àbalilinda icebo lakhe.

14Bàkhanukile entlango, Bamlinga uThixo enkangala.

15Wabanika abakubizayo; Wathumela ukungcumbeka emphefumlweni wabo.

16Bamenzela umona uMoses eminqubeni, NoAron ongcwele kaYehova.

17Wavuleka umhlaba, wamginya uDatan, Waliselela ibandla lika-Abhiram;

18Umlilo walitshisa ibandla labo, Amalangatye abalenya abangendawo.

19Bênza ithole eHorebhe, Baqubuda emfanekisweni otyhidiweyo.

20Balwananisa uzuko lwabo Ngento emilise okwenkomo edla utyani.

21Bamlibala uThixo, umsindisi wabo, Owênza imisebenzi emikhulu eYiputa;

22Imisebenzi ebalulekileyo ezweni lakwaHam, Imisebenzi eyoyikekayo eLwandle oluBomvu.

23Wathi uya kubatshabalalisa, Koko wesukayo uMoses, umnyulwa wakhe, Wema ethubeni phambi kwakhe, Ebuyisa ubushushu bakhe, ukuba angàtshabalalisi.

24Balicekisa ilizwe elinqwenelekayo, Àbakholwa lilizwi lakhe,

25Bakrokra ezintenteni zabo, Àbaliphulaphula izwi likaYehova.

26Wabaphakamisela isandla sakhe, Wafungela ukuba abawise entlango;

27Ayiwise imbewu yabo phakathi kweentlanga, Abachithachithe emazweni.

28Bazibandakanya noBhahali-pehore, Badla imibingelelo yabafileyo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Bamqumbisa ngeentlondi zabo; Sagaleleka phakathi kwabo isibetho.

30Wesuka wema uPinehasi, walamla; Sathintelwa isibetho.

31Oko kwabalelwa kuye ekuthini bubulungisa Izizukulwana ngezizukulwana kude kuse ephakadeni.

32Bamqumbisa emanzini aseMeribha, Kwehla ububi kuMoses ngenxa yabo;

33Ngokuba bawuphikisa umoya wakhe, Waphololoza ke ngomlomo wakhe.

34Àbazitshabalalisa izizwe, Awayethethé ngazo kubo uYehova;

35Baxubana neentlanga ezo, Bafunda izenzo zazo;

36Bakhonza izithixo zazo, Yaba sisirhintyelo kubo.

37Babingelela ngoonyana babo nangeentombi zabo kwiidemon;

38Baphalaza igazi elimsulwa, Igazi loonyana babo neleentombi zabo, Ábabingelela ngabo kwizithixo zakwaKanan; Lahlanjelwa ilizwe ngamagazi.

39Baba ziinqambi ngezenzo zabo, Bahenyuza ngeentlondi zabo.

40Wavutha ke umsindo kaYehova kubantu bakhe, Laba lisikizi kuye ilifa lakhe.

41Wabanikela ezandleni zeentlanga, Balawulwa ngababathiyileyo.

42Zabaxina iintshaba zabo, Bathotyelwa phantsi kwezandla zazo.

43Zibe zininzi izihlandlo ebahlangula; Ke bona bamphikisa ngamaqhinga abo, Bonákala bubugwenxa babo.

44Noko ke wakunonelela ukubandezelwa kwabo, Akuva ukuhlahlamba kwabo.

45Wawukhumbula ngenxa yabo umnqophiso wakhe, Wazohlwaya ngenxa yobuninzi beenceba zakhe.

46Wabafumanisa imfesane Phambi kwabo bonke abaye bebathimbile.

47Sísindise, Yehova, Thixo wethu, Síbuthe ezintlangeni, Ukuze sibulele kwigama lakho elingcwele, Sizingce ngendumiso yakho.

48Makabongwe uYehova, uThixo kaSirayeli, Kususela kwaphakade kude kuse ephakadeni. Mabathi bonke abantu, Amen. Haleluya!

IiNdumiso 107

Umbulelo kuThixo ngenxa yokumhlangula kwakhe umntu ngendlela engummangaliso

1Bulelani kuYehova, ngokuba elungile, Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

2Mabatsho abakhululwa bakaYehova, Awabakhululayo esandleni sombandezeli;

3Wababutha emazweni, Empumalanga nasentshonalanga, Entla naselwandle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Badinga entlango, endleleni esenkanga, la, Àbafumana mzi wakuhlala.

5Belambile, benxaniwe, Watyhafa phakathi kwabo umphefumlo wabo.

6Bakhala ke kuYehova embandezelweni yabo, Wabahlangula ekucuthekeni kwabo;

7Wabanyathelisa endleleni ethe tye, Ukuba baye kumzi wokuhlala.

8Mabayibulele kuYehova inceba yakhe, Nemisebenzi yakhe ebalulekileyo koonyana babantu!

9Kuba ewuhluthisile umphefumlo otshobayo, Wawuzalisa ngokulungileyo umphefumlo olambileyo.

10Behleli emnyameni nasethunzini lokufa, Bekhonkxwe yimbandezelo nasisinyithi,

11Ngokuba bephikise amazwi kaThixo, Belitshitshisa icebo lOsenyangweni:

12Wayithoba intliziyo yabo ngokubasebenzisa kanzima; Bakhubeka, akwabakho mncedi.

13Bakhala ke kuYehova embandezelweni yabo; Wabasindisa ekucuthekeni kwabo.

14Wabakhupha emnyameni nasethunzini lokufa, Waziqhawula iimbophelebo zabo.

15Mabayibulele kuYehova inceba yakhe, Nemisebenzi yakhe ebalulekileyo koonyana babantu!

16Kuba ezaphule iingcango zobhedu, Wayixakaxa imivalo yesinyithi.

17Abamathileyo, ngenxa yendlela yokukreqa kwabo, Nangenxa yobugwenxa babo, bácinezelwa;

18Konke ukudla kwaba lisikizi kumphefumlo wabo, Báfika emasangweni okufa.

19Bákhala ke kuYehova embandezelweni yabo, Wabasindisa ekucuthekeni kwabo.

20Wathumela ilizwi lakhe, wabaphilisa, Wabasiza ezihogweni zabo.

21Mabayibulele kuYehova inceba yakhe, Nemisebenzi yakhe ebalulekileyo koonyana babantu!

22Mababingelele imibingelelo yombulelo, Bancokole ngezenzo zakhe bememelela.

23Abaya elwandle ngeenqanawa, Benze ishishini emanzini amaninzi,

24Bazibona bona izenzo zikaYehova, Nemisebenzi yakhe ebalulekileyo enzulwini.

25Watsho, wavusa umoya ovuthuzayo, Waphakamisa amaza ayo.

26Banyuka basinga ezulwini, behla basinga emanzini enzonzobila; Umphefumlo wabo uthe amandla bububi.

27Bathendeleka, bahexa njengenxila, Butshone bonke ubulumko babo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

28Bakhala ke kuYehova embandezelweni yabo, Wabakhupha ekucuthekeni kwabo.

29Ukumisile ukuvuthuza, kwathi cwaka, Amaza ayo azola;

30Bavuya ke, kuba edambile; Wabafikisa echwebeni abalilangazelelayo.

31Mabayibulele kuYehova inceba yakhe, Nemisebenzi yakhe ebalulekileyo koonyana babantu!

32Mabamphakamise ebandleni labantu, Bamdumise embuthweni yamadoda amakhulu.

33Úyenze imilambo yaba yintlango, Namathende amanzi aba ngumhlaba onxaniweyo;

34Ilizwe elineziqhamo laba leletyuwa, Ngenxa yezinto ezimbi zabemi balo.

35Úyenze intlango yaba lidike elinamanzi, Ilizwe elingumqwebedu laba ngamathende amanzi.

36Wabahlalisa khona abalambileyo, Bamisa umzi wokuhlala.

37Bahlwayela amasimi, batyala izidiliya, Bavelisa iziqhamo, baba nongeniselo.

38Wabasikelela, banda kunene, Iinkomo zabo akazinciphisa.

39Bancipha, basibekeka Ngokukhanyangwa bububi nesingqala.

40Úwagalele ngendelo amanene, Wawadingisa enyanyeni, kungekho ndlela.

41Walisa engxondeni ihlwempu, kùde nengcinezelo, Walenzela imizalwana yanjengomhlambi.

42Baya kubona abathe tye, bavuye, Bonke ubugqwetha buvale umlomo.

43Lowo ulumkileyo makazigcine ezi ndawo, Azigqale iinceba zikaYehova.

IiNdumiso 108

Umbongo kuThixo nomthandazo wokucela uloyiso

Ingoma. Umhobe kaDavide.

1Izimasekile intliziyo yam, Thixo, Ndiya kuvuma, ndibethe uhadi, Kwanozuko lwam.

2Vukani, mrhubhe nohadi; Ndiya kusiphangela isifingo.

3Ndiya kubulela kuwe phakathi kwezizwe, Yehova, Ndikubethele uhadi phakathi kwezizwe.

4Ngokuba inkulu ngaphezu kwezulu inceba yakho, Yada yesa esibhakabhakeni inyaniso yakho.

5Zíphakamise ngaphezu kwezulu, Thixo, Bube phezu kwehlabathi lonke ubuqaqawuli bakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ukuze zihlangulwe iintánda zakho, Sindisa ngesandla sakho sokunene, undiphendule.

7UThixo uthethe engcwele; mandivuyelele, Ndimàbe uShekem, ndiyilinganisele intili yaseSukoti.

8Ngowam uGiliyadi, ngowam uManase, UEfrayim sisigcina-ntloko sam, UYuda yintonga yam yommiselo;

9UMowabhi sisitya sam sokuhlambela, Ndiyiphosa kuEdom imbadada yam; Ndiduma ngelamaFilisti.

10Ngubani na owondisa emzini onqatyisiweyo, Ngubani na owondikhaphela kwaEdom?

11Asinguwe na, Thixo, lo usihlambileyo? Akwaphuma, Thixo, nemikhosi yethu.

12Síncede kumbandezeli wethu; Alunto yanto usindiso lomntu.

13NgoThixo siya kweyisa, Abagqushe yena ababandezeli bethu.

IiNdumiso 109

Ukukhalela impindezelo

Kumongameli; ekaDavide. Umhobe.

1Thixo wendumiso yam, musa ukuthi tu;

2Ngokuba bandakhamisele umlomo ongendawo, nomlomo onenkohliso; Bathetha ngam ngolwimi lobuxoki.

3Bandijikele ngeentetho zentiyo; Balwa nam ngelizé.

4Ekubeni mna ndibathanda, bona bayandichasa, Ndibe mna ndithandaza.

5Endaweni yobulungisa bandibuyekeza ngobubi; Ekubeni mna ndibathanda, bona bayandithiya.

6Misa ongendawo, abe ngumveleli wakhe, Eme uSathana ngasekunene kwakhe.

7Ekuthethweni kwetyala makaphume engongendawo, Nomthandazo wakhe ube sisono.

8Imihla yakhe mayibe mbalwa, Mabuthatyathwe ngomnye ubuveleli bakhe.

9Oonyana bakhe mababe ziinkedama, Nomkakhe abe ngumhlolokazi;

10Babhadule bebhadula oonyana bakhe, becela, Bengqiba, bekude namanxuwa akowabo.

11Umboleki-mali makakushwankathele konke anako, Abasemzini baphange ukuxelenga kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Makungabikho wolulela nceba kuye, Kungabikho uzibabalayo iinkedama zakhe.

13Izivela-mva zakhe mazibe zezokunqunyulwa, Igama lazo licinywe esizukulwaneni esizayo.

14Mabukhunjulwe nguYehova ubugwenxa booyise, Singàcinywa isono sonina.

15Masibe phambi koYehova ngamaxesha onke, Akunqumle ehlabathini ukukhunjulwa kwabo;

16Ngenxa enokuba engakukhumbulanga ukwenza inceba, Etshutshise indoda elusizana, Elihlwempu, enentliziyo eyothukileyo, ukuba ayibulale.

17Ewe, wathanda ukuqalekisa, kwamfikela; Akakufuna ukusikelela, kwakhwelela kùde kuye.

18Wambatha ukuqalekisa kwanga yingubo yakhe, Kwangena embilinini wakhe njengamanzi, Nanjengeoli emathanjeni akhe.

19Makube njengengubo kuye, azithe wambu ngayo, Kube luqhwemesha, alunxibe amaxesha onke.

20Nguwo lowo umvuzo wabandichasayo, ophuma kuYehova, Wabathetha okubi ngomphefumlo wam.

21Ke wena Yehova, Nkosi, ndénzele ngenxa yegama lakho; Ngokokuba ilungile inceba yakho; ndíhlangule.

22Ngokuba ndilusizana, ndilihlwempu, Intliziyo yam ihlatyiwe phakathi kwam.

23Ndijengethunzi xa lolukayo, ndiyemka; Ndiphetshethwa njengenkumbi.

24Amadolo am ayagexa kukuzila ukudla, Nenyama yam ibhityile, tu ukutyeba.

25Ndithe ndasisingcikivo kubo; Béndibona, bahlunguzela intloko.

26Ndíncede, Yehova, Thixo wam, Ndísindise ngokwenceba yakho;

27Bazi ukuba sisandla sakho eso, Ukuba kukwenza kwakho, Yehova.

28Bayaqalekisa aba, ùyasikelela wena; Besukile bema, baya kudana; ùya kubuya yena umkhonzi wakho.

29Abandichasayo baya kwambatha ihlazo, Bazithi wambu ukudana njengengubo yokwaleka.

30Ndiya kubulela kakhulu kuYehova ngomlomo wam, Ndimdumise phakathi kwabaninzi;

31Kuba emi ekunene kolihlwempu, Ukuba amsindise kwabawugwebayo umphefumlo wakhe.

IiNdumiso 110

© 1975 Bible Society of South Africa.

UThixo ugunyazisa ukumkani

EkaDavide. Umhobe.

1Utsho uYehova eNkosini yam ukuthi, Hlala ngasekunene kwam, Ndide iintshaba
zakho ndizenze Isitulo seenyawo zakho.

2Intonga yamandla akho úya kuyithumela uYehova, ivela eZiyon, esithi, Yiba
nobukhosi phakathi kweentshaba zakho.

3Abantu bakho baya kuzinikela ngeentliziyo, ngemini yakho yokuphuma umkhosi;
Bebethe ezingcwele, ekuphumeni kwesifingo, Úza kuwe umbethe womlisela wakho.

4Ufungile uYehova, akayi kuzohlwaya; uthe, Ùngumbingeleli ngonaphakade wena
Ngokohlobo lukaMelkitsedeke.

5INkosi ngasekunene kwakho Iya kuphalusa ookumkani ngemini yomsindo wayo.

6Iya kugweba phakathi kweentlanga, kuzale zizidumbu; Iphaluse intloko ezweni
elibanzi.

7Endleleni iya kusela emlanjaneni; Ngenxa yoko iya kuphakamisa intloko.

IiNdumiso 111

Ubukhulu nokulunga kukaThixo

1Haleluya! Ndiya kubulela kuYehova ngentliziyo yonke, Elucweyweni lwabathe tye
nasebandleni.

2Zikhulu izenzo zikaYehova, Zezokungxokwa iintsingiselo zazo zonke.

3Únendili nobungangamela umsebenzi wakhe, Ubulungisa bakhe bumi
ngonaphakade.

4Uyenzele ukuze ikhunjulwe imisebenzi yakhe ebalulekileyo; Unobabalo nemfesane
uYehova.

5Ubaphé ukudla abamoyikayo; Uwukhumbule ngonaphakade umnqophiso wakhe.

6Ubabonise abantu bakhe amandla ezenzo zakhe, Ebanika ilifa leentlanga.

7Izenzo zezandla zakhe ziyinyaniso nesiko; Zithembekile zonke iziyalezo zakhe.

8Zizimasekile nanini nangonaphakade; Zenziwe ngenyaniso, zithe tye.

9Ùbathumele abantu bakhe inkululeko; Uwumisele ngonaphakade umnqophiso
wakhe; Lingcwele, liyoyikeka, igama lakhe.

10Ingqalo yobulumko kukoyika uYehova, Banengqiqo elungileyo bonke abenza
ngako; Indumiso yakhe ihlala imi.

IiNdumiso 112

Ukonwaba kwabahlonela uThixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Haleluya! Hayi, uyolo lomntu omoyikayo uYehova, Oyinoneleleyo kunene imithetho yakhe!

2Iya kuba nobugorha ehlabathini imbewu yakhe; Isizukulwana sabathe tye sisikelelwe.

3Bubuncwane nobutyebi endlwini yakhe; Ubulungisa bakhe buhlala bumi.

4Baphunyelwa kukukhanya ebumnyameni abathe tye, Benobabalo, nemfesane, nobulungisa.

5Unoyolo umntu obabalayo, aboleke; Uya kuyimisa intetho yakhe ematyaleni.

6Ngokuba akayi kushukunyiswa naphakade; Uya kuba lilungisa elikhunjulwa ngonaphakade.

7Àkoyikiswa ziindaba ezimbi; Iqinisekile intliziyo yakhe, ikholose ngoYehova.

8Izimasekile intliziyo yakhe, akoyiki; Úya kuda ababonele ababandezeli bakhe.

9Uyahlakaza, upha amahlwempu; Ubulungisa bakhe buhlala bumi, Uphondo lwakhe luphakamile, lunozuko.

10Ongendawo yena uya kukubona, aqumbe, Atshixize amazinyo, anyibilike; Umnqweno wongendawo uyadaka.

IiNdumiso 113

UThixo Osenyangweni uphakamisa abathobekileyo

1Haleluya! Dumisani, bakhonzi bakaYehova, Dumisani igama likaYehova.

2Malibongwe igama likaYehova, Kususela ngokunje, kude kuse ephakadeni.

3Kwasekuphumeni kwelanga kuse ekutshoneni kwalo, Malidunyiswe igama likaYehova.

4Uphakamile ngaphezu kweentlanga zonke uYehova, Bungaphezulu kwamazulu ubuqaqawuli bakhe.

5Ngubani na onjengoYehova, uThixo wethu? Ulohlala phezulu;

6Uloqondela phantsi, Ezulwini nasemhlabeni?

7Ulomvusa eluthulini osweleyo, Ulomphakamisa ezaleni olihlwempu,

8Ukuba amhlalise namanene, Amanene abantu bakhe;

9Ulohlalisa endlwini umfazi ongazaliyo, Abe ngunobantwana ovuyayo. Haleluya!

IiNdumiso 114

Ukuhlangulwa kukaSirayeli eYiputa nguThixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ekuphumeni kukaSirayeli eYiputa, Kwendlu kaYakobi ebantwini abantetho ingaziwayo,

2UYuda waba yingcwele yakhe, USirayeli waba sisikumkani sakhe.

3Ulwandle lwabona, lwasaba, IYordan yabuya umva.

4Iintaba zadloba njengeenkunzi zeegusha; Iinduli, njengamatakane omhlambi.

5Ùbunani na, lulwandlendini, ukuba usabe? Wena Yordan, ukuba ubuye umva?

6Nina zintaba, ukuba nidlobe njengeenkunzi zeegusha? Nina zinduli, njengamatakane omhlambi?

7Wena hlabathi, zibhijabhije ebusweni beNkosi, Ebusweni boThixo kaYakobi;

8Uloguqula iliwa libe lidike lamanzi, Iqhwitha libe yimithombo yamanzi.

IiNdumiso 116

Umbulelo ngenxa yokusindiswa ekufeni

1Ndiyamthanda, ngokuba uYehova eliva Ilizwi lam, ukutarhuzisa kwam.

2Ngokuba endithobele indlebe yakhe, Ndiya kumnqula ngemihla yam yonke.

3Izintya zokufa zandijikela, Iingxingongo zelabafileyo zandifumana, Ndafunyanwa ziimbandezelo nesingqala.

4Ndanqula ke igama likaYehova, ndathi, Yehova, ndiya kukhunga, siza umphefumlo wam.

5UYehova unobabalo, ulilungisa, UThixo wethu unemfesane.

6Ngumgcini wabazizidenge uYehova; Ndandiswele, wandisindisa.

7Buyela ekuphumleni kwakho, mphefumlo wam, Ngokuba uYehova ukuphatha kakuhle;

8Ngokuba ewuhlangule umphefumlo wam ekufeni, Iliso lam ezinyembezini, Unyawo lwam ekungqulekeni.

9Ndiya kuhamba-hamba phambi koYehova Emazweni abaphilileyo.

10Ndiyakholwa, xa ndithethayo; Mna ndicinezelekile kunene.

11Ndathi mna ekuphakuzeleni kwam, Bonke abantu ngamaxoki.

12Ndingámbuyisela ngantoni na uYehova Konke ukundiphatha kwakhe kakuhle?

13Ndophakamisa indebe yosindiso, Ndinqule igama likaYehova.

14Ewe, ndozizalisa izibhambathiso zam kuYehova, Phambi kwabantu bakhe bonke kalokunje.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kunqabile emehlweni kaYehova Ukufa kwakbakhe benceba.

16Okunene, Yehova, ndingumkhonzi wakho, Ndingumkhonzi wakho, unyana womkhonzazana wakho; Ùzicombulule iimbophelelo zam.

17Ndiya kubingelela kuwe umbingelelo wombulelo, Ndinqule igama likaYehova.

18Ewe, ndiya kuzizalisa izibhambathiso zam kuYehova, Phambi kwabantu bakhe bonke,

19Ezintendelezweni zendlu kaYehova, Esazulwini sakho, Yerusalem. Haleluya!

IiNdumiso 117

Mdumiseni uYehova

1Mdumiseni uYehova, nonke zintlanga, Mncomeni, nonke zizwe.

2Ngokuba inamandla kuthi inceba yakhe, Inyaniso kaYehova ingunaphakade. Haleluya!

IiNdumiso 118

Inceba kaYehova ingunaphakade

1Bulelani kuYehova, ngokuba elungile, Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

2Makathi uSirayeli, Ingunaphakade inceba yakhe.

3Mayithi indlu ka-Aron, Ingunaphakade inceba yakhe.

4Mabathi abamoyikayo uYehova, Ingunaphakade inceba yakhe.

5Ndabiza uYehova ndisengxingongweni; Wandiphendula uYehova, wandibeka endaweni ebanzi.

6UYehova ungakum, andoyiki; Angándenza ntoni na umntu?

7UYehova ungakum ngokundinceda; Ndiya kubona mna kwabandithiyayo.

8Kulungile ukuzímela ngoYehova, Ngaphezu kokukholosa ngomntu.

9Kulungile ukuzímela ngoYehova Ngaphezu kokukholosa ngamanene.

10Zingafanelana zonke iintlanga zindirhawule: Egameni likaYehova inene ndozinqumla.

11Zingafanelana zindirhawule zandirhawula: Egameni likaYehova inene ndozinqumla.

12Zingafanelana zindirhawule njengeenyosi: Zocinywa njengomlilo weentsasa; Egameni likaYehova inene ndozinqumla.

13Ùndityhale ngamandla wena ukuba ndiwe; Kodwa uYehova wandinceda.

14Iqhayiya lam nengoma yam nguYehova, Waba lusindiso kum.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Izwi lokumemelela nelosindiso lisezintenteni zamalungisa, lisithi, Isandla sokunene sikaYehova siyeyisa;

16Isandla sokunene sikaYehova siphakamile; Isandla sokunene sikaYehova siyeyisa.

17Andiyi kufa, ndiya kudla ubomi, Ndibalise ngezenzo zikaYehova.

18UYehova undithethisé kakhulu, Ke akandinikela ekufeni.

19Ndivuleleni amasango obulungisa; Ndiya kungena ngawo, ndiya kubulela kuYehova.

20Nali isango likaYehova, Amalungisa angena ngalo.

21Ndiyabulela kuwe kuba undiphendule, Waba lusindiso kum.

22Ilitye abalilahláyo abakhi Laba yintloko yembombo.

23Kuvele kuYehova oku, Kungumsebenzi obalulekileyo emehlweni ethu.

24Le yimini ayenzileyo uYehova, Masigcobe sivuye ngayo.

25Yehova, camagu, khawusindise, Yehova, camagu, khawuhlangule.

26Makabongwe lo uzayo esegameni likaYehova, Siyanisikelela nina basendlwini kaYehova.

27UYehova nguThixo, úsikhanyisela; Bophelelani umbingelelo womthendeleko ngeentambo, Kude kuye ezimpondweni zesibingelelo.

28ÙnguThixo wam, ndiya kubulela kuwe; ÙnguThixo wam, ndiya kukuphakamisa.

29Bulelani kuYehova, ngokuba elungile, Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

IiNdumiso 119

Iingcamango ngomthetho kaThixo

1Hayi, uyolo lwabandlela igqibeleleyo, Bona bahambayo ngomyalelo kaYehova!

2Hayi, uyolo lwababambe izingqiniso zakhe, Abamquqelayo ngentliziyo epheleleyo!

3Àbasebenzi nokusebenza bugqwetha, Bayahamba ngeendlela zakhe.

4Ùzimisile iziyalezo zakho, Ukuba zigcinwe kunene.

5Azaba iindlela zam bezibhekiselwe Ukugcina imimiselo yakho!

6Bendingayi kudana ke Ekubhekeni kwam kwimithetho yakho yonke.

7Ndiya kubulela kuwe ngentliziyo ethe tye, Ekuzifundeni kwam izigwebo zobulungisa bakho.

8Ndiya kuyigcina imimiselo yakho, Musa ukundishiya kuphele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Umfana uya kuwuqaqambisa ngantoni na umendo wakhe? Ngokuzigcina ngokwelizwi lakho.

10Ndiya kuquqela kuwe ngentliziyo yam yonke; Musa ukundilahlekanisa nemithetho yakho.

11Ndiyibeké intetho yakho entliziyweni yam, Ukuze ndingoni kuwe.

12Ungowokubongwa, Yehova; Ndífundise imimiselo yakho.

13Ndiyawabalisa ngemilebe yomlomo wam Onke amasiko omlomo wakho.

14Ndinemihlali endleleni yezingqiniso zakho, Ngathi kusebuncwaneni bonke.

15Ndiya kucamngca ngeziyalezo zakho, Ndibheke kumendo wakho.

16Ndiyaziyolisa ngemimiselo yakho; Andiyi kulilibala ilizwi lakho.

17Mphathe kakuhle umkhonzi wakho, ndidle ubomi, Ndigcíne ilizwi lakho.

18Vula amehlo am, ukuba ndiyibone Imisebenzi ebalulekileyo yasemyalelweni wakho.

19Ndingumphambukeli ehlabathini, Musa ukuyisithelisa kum imithetho yakho.

20Umphefumlo wam ucumkile ngokulangazelela Amasiko akho ngamaxesha onke.

21Ùbakhalimele abakhukhumali, Ábaqalekiswa abo, balahlekeneyo nemithetho yakho.

22Shenxisa imke kum ingcikivo nendelo, Ngokuba ndizibambile izingqiniso zakho.

23Nangona abathetheli behlala bathethe ngam, Umkhonzi wakho yena ucamngca ngemimiselo yakho.

24Izingqiniso zakho ziziyoliso zam noko, Zingamaphakathi am.

25Umphefumlo wam unamathéle eluthulini; Ndíphilise ngokwelizwi lakho.

26Ndizicacisile iindlela zam, wandiphendula; Ndífundise imimisela yakho.

27Ndíqondise iindlela zeziyalezo zakho, Ndicamngce ngemisebenzi yakho ebalulekileyo.

28Umphefumlo wam uvuza iinyembezi sisingqala, Ndímise ngokwelizwi lakho.

29Indlela yobuxoki yisuse kum; Ndíbabale umyalelo wakho.

30Ndiyinyúle indlela yokuthembeka; Amasiko akho ndijolisé kuwo.

31Ndinamathéle ezingqinisweni zakho; Musa ukundidanisa, Yehova.

32Ndigidima ngendlela yemithetho yakho, Ngokuba uyenzé banzi intliziyo yam.

33Ndíyalele, Yehova, indlela yemimiselo yakho, Ndiyibàmbe kuphele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Ndíqondise, ndibámbe umyalelo wakho, Ndiwugcìne ngentliziyo yonke.

35Ndínyathelise endleleni yemithetho yakho, Ngokuba ndiyithandile.

36Intliziyo yam yithobele ezingqinisweni zakho, Ungayithobeli ekubaweni.

37Dlulisa amehlo am angakhangeli inkohlakalo, Ndíphilise ngeendlela zakho.

38Zalisa kumkhonzi wakho intetho yakho, Eyokuba bakoyike.

39Yidlulise ingcikivo yam endinxunguphala yiyo, Ngokuba amasiko akho alungile.

40Nanku ndilangazelela iziyalezo zakho, Ndíphilise ngobulungisa bakho.

41Mazize kum iinceba zakho, Yehova, Nosindiso lwakho ngokwentetho yakho;

42Ndimphèndule ngelizwi ondingcikivayo, Ngokuba ndikholose ngelizwi lakho.

43Musa ukuda ulihluthe emlonyeni wam ilizwi lenyaniso, Ngokuba ndilindele izigwebo zakho;

44Ndowugcina umyalelo wakho ngamaxesha onke, Ngonaphakade kanaphakade;

45Ndihamba-hàmbe endaweni ebanzi, Ngokuba ndifuna iziyalezo zakho.

46Ndothetha ngezingqiniso zakho phambi kokumkani, Ndingabi nakudana.

47Ndoziyolisa ngemithetho yakho Endiyithandayo;

48Ndiziphakámise izandla zam emithethweni yakho endiyithandayo, Ndicamngce ngemimiselo yakho.

49Khumbula ilizwi lakho kumkhonzi wakho, Ngenxa enokuba ùndithembise lona.

50Yiyo le intuthuzelo yam ekucinezelekeni kwam, Yokuba intetho yakho indiphilisile.

51Abakhukhumali bada bandigxeka kakhulu; Kanti àndithi gu bucala emyalelweni wakho.

52Ndawakhumbula amasiko akho kususela kwanaphakade, Yehova, Ndathuthuzeleka.

53Ndingenwé ngumsindo oshushu, Ndisenziwa ngabangendawo abalahla umyalelo wakho.

54Iziingoma kum imimiselo yakho, Endlwini yokuphambukela kwam.

55Ndilikhumbúle ebusuku igama lakho, Yehova, Ndawugcina umyalelo wakho.

56Ndinikwe oku, Ukuba ndibambe iziyalezo zakho.

57Isabelo sam, Yehova, ndithi, Sesokuba ndigcine amazwi akho.

58Ndiya kubongoza ngentliziyo yonke, Ndíbabale ngokwentetho yakho.

59Ndazicingela iindlela zam, Ndazibuyisela iinyawo zam ezingqinisweni zakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

60Ndikhawulezile andazila-zila Ukugcina imithetho yakho.

61Izintya zabangendawo zindithandele, Àndiwulibele umyalelo wakhe noko.

62Ndivuka phakathi kobusuku, ndibulele kuwe, Ngenxa yezigwebo zobulungisa bakho.

63Ndilidlelane labo bonke abakoyikayo, Nelabazigcinayo iziyalezo zakho.

64Inceba yakho, Yehova, izalise ihlabathi; Ndífundise imimiselo yakho.

65Umenzéle okulungileyo umkhonzi wakho, Yehova, ngokwelizwi lakho.

66Ndífundise, ndibe nemvo nokwazi okulungileyo, Ngokuba ndikholwa yimithetho yakho.

67Ndingekacinezelwa, ndaye ndilahleka; Kungoku ndiyigcinile intetho yakho.

68Ùlungile wena, ulungisa; Ndífundise imimiselo yakho.

69Abakhukhumali bathungele ubuxoki ngam; Mna ndizibamba ngentliziyo yonke iziyalezo zakho.

70Ithe fithi kukutyeba intliziyo yabo; Ke mna ndiziyolisa ngomyalelo wakho.

71Kundilungele okokuba ndacinezelwayo, Ukuze ndiyifunde imimiselo yakho.

72Ùlungile kum umyalelo womlomo wakho, Ngaphezu kwamawaka egolide nesilivere.

73Izandla zakho zindenzile, zandilungisa; Ndíqondise, ndifùnde imithetho yakho.

74Abakoyikayo bondibona, bavuye, Ngokuba ndilindele elizwini lakho.

75Ndiyazi, Yehova, ukuba zinobulungisa izigwebo zakho; Ùndicinezèle, phofu ùthembekile.

76Ngamana inceba yakho yaba yeyokundithuthuzela, Njengokwentetho yakho kumkhonzi wakho.

77Mazize kum iimfesane zakho, ndiphile, Ngokuba umyalelo wakho undiyolisa.

78Mabadane abakhukhumali, ngokuba béndigobele phantsi ngobuxoki, Mna ndicamngca ngeziyalezo zakho.

79Mabandibuyele abakoyikayo, Nabazaziyo izingqiniso zakho.

80Mayigqibelele intliziyo yam emimiselweni yakho, Ukuze ndingadani.

81Umphefumlo wam uyaphela kukululangazelela usindiso lwakho, Ndilindéle elizwini lakho.

82Amehlo am ayaphela kukulangazelela intetho yakho, Ndisithi, Ùya kundithuthuzela nini na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

83Noko ndithe ndaba njengentsuba emsini; Andiyilibali imimiselo yakho.

84Zingaphi na iintsuku zomkhonzi wakho? Ùya kuda ubagwebe nini na abandisukelayo?

85Abakhukhumali bandimbele izihogo, Abangenamyalelo wakho.

86Yonke imithetho yakho ithembekile: Bandisukela ngobuxoki; ndíncede.

87Baphantse ukundigqibela emhlabeni, Ke mna andizilahli iziyalezo zakho.

88Ndíphilise ngokwenceba yakho, Ndizigcine izingqiniso zomlomo wakho.

89Lingunaphakade, Yehova, Limi emazulwini ilizwi lakho.

90Ukuthembeka kwakho kukwizizukulwana ngezizukulwana; Ulizinzisile ihlabathi, lema.

91Ezo zinto zimele izigwebo zakho nanamhla, Ngokuba iinto zonke zingabakhonzi bakho.

92Koko umyalelo wakho wandiyolisáyo, Ndinge ndaphelayo ekucinezelekeni kwam.

93Andiyi kuzilibala naphakade iziyalezo zakho, Ngokuba undiphilisile ngazo.

94Ndingowakho mna, ndísindise, Kuba ndicamanga ngeziyalezo zakho.

95Abangendawo bandilindile ukuze banditshabalalise; Mna ndigqalé izingqiniso zakho.

96Yonke inzaliseko ndiyibonile apho iphela khona; Ke wona umthetho wakho ngumphangalala omkhulu.

97Hayi, ukuwuthanda kwam umyalelo wakho! Imini le yonke ndiyacamngca ngawo.

98Indifundisa ubulumko ngaphezu kweentshaba zam imithetho yakho, Ngokuba yeyam ngonaphakade.

99Ndìnokuqiqa ngaphezu kwabafundisi bam bonke, Ngokuba ngezingqiniso zakho ndiyacamngca.

100Ndinokuqonda ngaphezu kwamadoda amakhulu, Ngokuba ndizibamba iziyalezo zakho.

101Ndizinqandile iinyawo zam kwiindlela zonke ezimbi, Ukuze ndiligcine ilizwi lakho.

102Andisuki emasikweni akho, Ngokuba ùndiyalile wena.

103Hayi, ukuba mnandi kwentetho yakho ekhuhlangubeni lam! Igqithe nobusi emlonyeni wam.

104Ngeziyalezo zakho ndinokuqonda, Ngenxa yoko ndiwuthiyile wonke umendo wobuxoki.

© 1975 Bible Society of South Africa.

105Lisisibane seenyawo zam ilizwi lakho, Likukukhanya emendweni wam.

106Ndikufungele, ndikumisile, Ukuzigcina izigwebo zobulungisa bakho.

107Ndide ndacinezeleka kakhulu; Yehova, ndíphilise ngokwelizwi lakho.

108Ngamana wakholeka kuwe, Yehova, umbingelelo wesisa womlomo wam; Ndífundise amasiko akho.

109Umphefumlo wam uhlala usesandleni sam, Ndingàwulibali umyalelo wakho.

110Abangendawo bandenzele umgibe, Andiphambukanga eziyalezweni zakho.

111Ndizidlé ilifa izingqiniso zakho ngonaphakade, Ngokuba ziyimihlali yentliziyo yam;

112Intliziyo yam ndiyithobele ekwenzeni imimiselo yakho Ngonaphakade, kuphele.

113Abambaxa ndiyabathiya, Wona umyalelo wakho ndiyawuthanda.

114Isithe lam nengweletshetshe yam nguwe, Ndìlindele elizwini lakho.

115Sukani kum, nina benzi beento ezimbi, Ndibámbe imithetho yoThixo wam.

116Ndízimase ngokwelizwi lakho, ndiphile, Ungandidanisi ekulindeni kwam.

117Ndíxhase ndisinde, Ndihlale ndibheke emimiselweni yakho.

118Ubacukucezile bonke abalahlekana nemimiselo yakho, Ngokuba inkohliso yabo ibubuxoki.

119Wena ususa bonke abangendawo behlabathi njengentlenga, Ngoko ndiyazithanda izingqiniso zakho.

120Inyama yam isuka ihambe kukunkwantyiswa nguwe, Ndizoyike izigwebo zakho.

121Ndenza ngesiko nangobulungisa, Ungandinikeli kwabandicudisayo.

122Mmele umkhonzi wakho, kulunge; Mabangandicudisi abakhukhumali.

123Amehlo am ayaphela kukululangazelela usindiso lwakho, Nentetho yobulungisa bakho.

124Umkhonzi wakho menzele ngokwenceba yakho Undifundise imimiselo yakho.

125Ndingumkhonzi wakho, ndiqondise, Ndizàzi izingqiniso zakho.

126Lilixa lokuba uYehova enze, Kuba bawaphúle umyalelo wakho.

127Ngenxa yoko ndiyithanda imithetho yakho Ngaphezu kwegolide, nakwengcwengiweyo.

128Ngenxa yoko ndithi, Zonke iziyalezo zakho zithe tye ngezinto zonke; Wonke umendo wobuxoki ndiwuthiyile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

129Ziyimisebenzi ebalulekileyo izingqiniso zakho, Ngenxa yoko úzibambile umphefumlo wam.

130Ukutyhila kwamazwi akho kuyakhanyisa, Kuqondisa abazizidenge.

131Ndakhamisa umlomo wam, ndakhefuza, Ngokuba ndiyilangazelela imithetho yakho.

132Ndíbheke, undibabale, Ngokwesiko lakho kubathandi begama lakho.

133Qinisa ukunyathela kwam ngentetho yakho, Mabungabi nagunya kum ubutshinga, nabuphi na.

134Ndíkhulule ekucudiseni komntu, Ndizigcine iziyalezo zakho.

135Khanyisa ubuso bakho kumkhonzi wakho, Undifundise imimiselo yakho.

136Ahla imijelo yamanzi amehlo am, Ngenxa yokuba bengawugcini umyalelo wakho.

137Ùlilungisa wena, Yehova, Zithe tye izigwebo zakho.

138Uzimisile izingqiniso zakho, zanobulungisa, Zaba nokuthembeka kakhulu.

139Ikhwele lam lindibhangisile, Ngokuba abandibandezelayo bewalibele amazwi akho.

140Ilizwi lakho linyibilikisiwe njengegolide kunene, Umkhonzi wakho uyalithanda.

141Ndimncinane, ndideliwe, Noko andizilibali iziyalezo zakho.

142Ubulungisa bakho bubulungisa obungunaphakade, Umyalelo wakho uyinyaniso.

143Imbandezelo nengcutheko indifumene, Imithetho yakho iyandiyolisa.

144Zinobulungisa ngonaphakade izingqiniso zakho, Ndíqondise, ndiphile.

145Ndikhala ngentliziyo yonke, ndíphendule; Yehova, imimiselo yakho ndiya kuyibamba.

146Ndikhala kuwe, ndísindise, Ndigcìne izingqiniso zakho.

147Ndakúphangela ukusa, ndazibika, Ndalindela emazwini akho.

148Amehlo am áphengela imilindo yasebusuku, Ukuze ndicamngce ngentetho yakho.

149Líve ilizwi lam ngokwenceba yakho, Yehova, ndíphilise ngokwamasiko akho.

150Bayasondela abaphuthuma amanyala, Banyawuka emyalelweni wakho;

151Ùsondele wena, Yehova, Yonke imithetho yakho iyinyaniso.

152Kudala ndisazi ngokwezingqiniso zakho, Ukuba uzisekile ngonaphakade.

153Khangela ukucinezeleka kwam, undihlangule, Ngokuba ndingawulibali umyalelo wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

154Bambana nobambene nam, undikhulule, Ndíphilise ngokwelizwi lakho.

155Lunyawukile kwabangendawo usindiso, Ngokuba abayifuni imimiselo yakho.

156Iimfesane zakho zininzi, Yehova; Ndíphilise ngokwamasiko akho.

157Baninzi abandisukelayo nabandibandezelayo; Àndithi gu bucala ezingqinisweni zakho.

158Ndababona abatshinizi, ndakruquka, Abo bangàyigciniyo intetho yakho.

159Bóna ukuthanda kwam iziyalezo zakho, Yehova, ndíphilise ngokwenceba yakho.

160Isimbuku selizwi lakho siyinyaniso iphela, Zingunaphakade zonke izigwebo zobulungisa bakho.

161Abathetheli bandisukela ngelizé, Intliziyo yam iyankwantyiswa ngamazwi akho.

162Ndinemihlali ngentetho yakho, Njengofumene ixhoba elininzi.

163Ndikuthiyile ukuxoka, lisikizi kum; Ndiyawuthanda umyalelo wakho.

164Ndikudumisa kasixhenxe ngemini, Ngenxa yezigwebo zobulungisa bakho.

165Banoxolo olukhulu abawuthandayo umyalelo wakho; Akukho sikhubekiso kubo.

166Ndikhangela usindiso lwakho, Yehova; Ndenza imithetho yakho.

167Umphefumlo wam uyazigcina izingqiniso zakho, Ndizithanda kunene.

168Ndiyazigcina iziyalezo zakho nezingqiniso zakho, Ngokuba zonke iindlela zam ziphambi kwakho.

169Makusondele phambi kwakho ukuhlahlamba kwam; Yehova, ndíqondise ngokwelizwi lakho.

170Masifike isikhungo sam phambi kwakho; Ndíhlangule ngokwentetho yakho.

171Umlomo wam mawumpompoze indumiso, Kuba ùndifundisile imimiselo yakho.

172Ulwimi lwam luya kuyiphendula intetho yakho, Ngokuba yonke imithetho yakho inobulungisa.

173Isandla sakho masibe sesokundinceda, Ngokuba ndizinyuléle iziyalezo zakho.

174Ndilangazelela usindiso lwakho, Yehova; Umyalelo wakho uyandiyolisa.

175Mawuphile umphefumlo wam, ukudumise, Andincede amasiko akho.

176Ndiya ndimka njengemvu elahlekileyo; mfune umkhonzi wakho, Ngokuba andiyilibali imithetho yakho.

IiNdumiso 120

Umthandazo wokuchasa abakhohlisi

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ingoma yezinyuko.

1Engxingongweni yam ndakhala kuYehova, Wandiphendula.

2Ndathi, Wuhlangule, Yehova, umphefumlo wam emlonyeni oxokayo, Elulwimini olunenkohliso.

3Makakunike ntoni na, akòngeze ntoni na, Lulwimindini lunenkohliso?

4Iintolo zegorha ezitsolo, Kunye namalahle avuthayo onwele.

5Athi ke mna! Kuba ndingumphambukeli kwaMesheki, Ndihleli ngasezintenteni zakwaKedare.

6Umphefumlo wam kade uhleli Nabaluthiyileyo uxolo.

7Mna ndingowoxolo; Ke ndithi ndakuthetha, bona babe yimfazwe.

IiNdumiso 121

UYehova uMgcini wabantu bakhe

Ingoma yezinyuko.

1Ndíwaphakamisele ezintabeni na amehlo am? Luya kuvela phi na uncedo lwam?

2Uncedo lwam luvela kuYehova, UMenzi wezulu nehlabathi.

3Akayi kukha alunikele unyawo lwakho ekutyibilikeni; Akayi kukha ozele umgcini wakho.

4Ùyabona, akozeli, akalali, UMgcini kaSirayeli.

5NguYehova umgcini wakho, NguYehova umthunzi wakho ekunene kwakho.

6Emini ilanga aliyi kukwenzakalisa, Nenyanga ebusuku.

7UYehova uya kukugcina ebubini bonke, Uya kuwugcina umphefumlo wakho.

8UYehova uya kukugcina ukuphuma kwakho nokungena kwakho, Kususela ngoku kude kuse ephakadeni.

IiNdumiso 122

Umthandazo wokucelela iYerusalem uxolo

Ingoma yezinyuko. KaDavide.

1Ndavuya bakuthi kum, Masiye endlwini kaYehova.

2Iinyawo zethu zifike zema Emasangweni akho, Yerusalem;

3Yerusalem, wena wakhiweyo Ngokomzi ohlangeneyo wamnye;

4Apho zinyuka ziye khona izizwe, Izizwe zikaYehova; Ibubungqina ke loo nto kwaSirayeli, Ukuba kubúlelwe kwigama likaYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Kuba khona apho kumiswe iitrone zokugweba, Iitrone zendlu kaDavide.

6Celelani iYerusalem uxolo; Mababe nokuchulumacha abakuthandayo,

7Malube luxolo eludongeni lwakho olurhaqileyo, Nokuchulumacha ezingxandeni zakho ezinde.

8Ngenxa yabazalwana bam nowethu, Makhe ndithethe uxolo ngawe.

9Ngenxa yendlu kaYehova, uThixo wethu, Ndiya kufuna okukulungeleyo.

IiNdumiso 123

Ukumlindela uThixo ngethemba

Ingoma yezinyuko.

1Ulohlala emazulwini, Ndiwaphakamisela kuwe amehlo am.

2Uyabona, njengokuba amehlo abakhonzi Emi kwisandla seenkosi zabo; Njengokuba amehlo omkhonzazana Emi kwisandla senkosikazi yakhe: Ngokunjalo amehlo ethu akuYehova, uThixo wethu, Ade asibabale.

3Síbabale, Yehova, sibabale, Ngokuba sànele kakhulu kukudelwa.

4Umphefumlo wethu wanele kakhulu Kukugculela kwabangakhathalele bani, Nokudela kwabanekratshi.

IiNdumiso 124

Umbongo ngenxa yokuhlangulwa

Ingoma yezinyuko. KaDavide.

1Koko uYehova ebengakuthi, Makatsho uSirayeli,

2Koko uYehova ebengakuthi Ekusukeleni kwabantu phezulu kuthi,

3Bange beba basiginya sihleli, Ekuvutheni komsindo wabo kuthi;

4Ange esintywilisele amanzi, Wadlula phezu komphefumlo wethu umsinga;

5Ange edlule phezu komphefumlo wethu Amanzi akhukumeleyo.

6Úngowokubongwa uYehova, Ongasinikelanga emazinyweni abo, ukuba siqwengwe.

7Umphefumlo wethu usindile, njengentaka emgibeni wababambisi; Umgibe uqhawukile, sasinda ke thina.

8Uncedo lwethu lusegameni likaYehova,

IiNdumiso 125

UYehova ubajikelezile abantu bakhe

Ingoma yezinyuko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]Abo bakholosa ngoYehova banjengentaba yaseZiyon: Ayishukumi, ihleli ngonaphakade.

[2]IYerusalem ijikelezwe ziintaba; Ke uYehova ubajikelezile naye abantu bakhe, Kususela ngoku kude kuse ephakadeni.

[3]Ngokuba ayiyi kuhlala intonga yokungendawo elifeni lamalungisa, Ukuze amalungisa angazisí ebugqwetheni izandla zawo.

[4]Yehova, yenza okulungileyo kwabalungileyo, Kwabathe tye ezintliziyweni zabo.

[5]Ke bona abathi gu bucala ngeendlela zabo ezimagoso-goso, UYehova makabemkise, kunye nabasebenzi bobutshinga. Malube luxolo kuSirayeli.

IiNdumiso 126

Ukubuya ekuthinjweni

Ingoma yezinyuko.

[1]Ekubabuyiseni kukaYehova ababuyáyo baseZiyon, Saba njengabaphuphayo;

[2]Waza wazala kukuhleka umlomo wethu, Lwazala kukumemelela ulwimi lwethu. Baza bathi phakathi kweentlanga, UYehova ubenzele izinto ezinkulu aba.

[3]UYehova usenzele izinto ezinkulu, Saba ngabavuyayo.

[4]Buyisa, Yehova, abathinjiweyo bakuthi, Njengemilambo yamanzi yelasezantsi.

[5]Abahlwayelayo beneenyembezi Baya kuvuna benokumemelela.

[6]Ohamba ahambe elila, Ephethe intlwayelelo, Uyabuya eze ememelela, Ethwele izithungu zakhe.

IiNdumiso 127

UThixo umphumelelisi

Ingoma yezinyuko. KaSolomon.

[1]Ukuba akayakhi uYehova indlu, Bafumana besaphuka yiyo abakhi bayo. Ukuba umzi akawugcini uYehova, Ufumana ephaphama owugcinayo.

[2]Nifumana nivuka kusasa, Nihlale nisebenza kude kube sebusuku, Nikudla ukudla kokubulaleka; Uyipha intánda yakhe, ilele ubuthongo.

[3]Uyabona, ilifa likaYehova ngoonyana, Umvuzo sisiqhamo sesizalo.

[4]Njengeentolo esandleni segorha, Banjalo oonyana bobutsha.

[5]Hayi, uyolo lomfo ozalise umphongolo wakhe ngabo! Abayi kudana, Xa bathetha neentshaba esangweni.

IiNdumiso 128

© 1975 Bible Society of South Africa.

Intsikelelo yomzi ohlonela uThixo

Ingoma yezinyuko.

1Hayi, uyolo lwabantu bonke abamoyikayo uYehova, Abahamba ngeendlela zakhe!

2Ukuxelenga kwezandla zakho inene ùya kukudla, Ùya kuba noyolo wena, kulunge kuwe.

3Umkakho woba njengomdiliya oqhamayo Endlwini yakho ngaphakathi; Oonyana bakho babe njengezithole zomnquma Ngeenxa zonke esithebeni sakho.

4Yabona, únjalo ukusikelelwa umfo Omoyikayo uYehova.

5Makakusikelele uYehova eZiyon. Uyibone iYerusalem inenyhweba Yonke imihla yobomi bakho;

6Ubone abantwana babantwana bakho. Malube luxolo kuSirayeli.

IiNdumiso 129

Umthandazo wokucela ukuba iintshaba zoyiswe

Ingoma yezinyuko.

1Kukaninzi bendibandezela kwasebuncinaneni bam, Makatsho uSirayeli;

2Kukaninzi bendibandezela kwasebuncinaneni bam: Ababanga nakundithini noko.

3Abalimi balima emhlana kum, Bayolula indima yabo.

4UYehova ulilungisa, Uzinqumle izintya zabangendawo.

5Mabadane babuye umva Bonke abayithiyayo iZiyon.

6Mababe njengengca ephuma phezu kwezindlu, Eyomayo ingekahlumi,

7Engekasizalisi nesandla sakhe umvuni, Engekalizalisi nesondo lengubo yakhe umbophi wezithungu;

8Bengekathi nabadlulayo, Intsikelelo kaYehova mayibe kuni; Sìyanisikelela egameni likaYehova.

IiNdumiso 130

Ezinzulwini

Ingoma yezinyuko.

1Ezinzulwini ndinqula wena, Yehova,

2Nkosi, yiva ilizwi lam. Iindlebe zakho mazilibazele Ilizwi lokutarhuzisa kwam.

3Ukuba uthe wabunqala ubugwenxa, Yehova, Ngubani na ongaba nokuma, Nkosi?

4Ngokuba kunawe ukuxolela, Ukuze woyikwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ndithembéle kuYehova, uthembile umphefumlo wam; Ndilindé ilizwi lakhe.

6Umphefumlo wam ulindele eNkosini Ngaphezu kwabalinde ukusa, Ewe, abalinde ukusa.

7Lindela kuYehova, Sirayeli, Ngokuba inceba ikuYehova; Ikuye inkululeko eninzi.

8Yena ke wowakhulula amaSirayeli Ebugwenxeni bawo bonke.

IiNdumiso 131

Ukukholosa ngoThixo ngobulali

Ingoma yezinyuko; kaDavide.

1Yehova, intliziyo yam ayiphakamile, amehlo am akaqwayingile; Andihambi ezintweni ezinkulu, Eziyimisebenzi ebalulekileyo kum.

2Inene, ndiwuzolisé ndawuthozamisa umphefumlo wam; Ùnjengomntwana olunyulweyo, ehleli kunina; Ùnjengomntwana olunyulweyo umphefumlo wam kum.

3Wena Sirayeli, lindela kuYehova Kususela ngoku kude kuse ephakadeni.

IiNdumiso 132

Ukuzondelela indlu kaThixo

Ingoma yezinyuko.

1Yehova, mkhumbulele uDavide Ukucinezeleka kwakhe konke;

2Yena wamfungelayo uYehova, Wabhambathisa kwimbalasane enguThixo kaYakobi,

3Esithi, Andiyi kungena ententeni eyindlu yam, Andiyi kunyuka ndiye esililini, emandlalweni wam;

4Andiyi kuwanika amehlo am ubuthongo, Neenkophe zam ukozela:

5Ndide ndimfumanele indawo uYehova, Ndiyifumanele umnquba imbalasane kaYakobi.

6Khangela, sawuva e-Efrata, Sawufumana ezintilini zaseKiriyati-yeharim.

7Masingene emnqubeni wakhe, Siqubude esihlalweni seenyawo zakhe.

8Khawusuk' ume, Yehova, uze ekuphumleni kwakho, Wena netyeya yamandla akho.

9Ababingeleli bakho mabambathe ubulungisa, Bamemelele abakho benceba.

10Ngenxa kaDavide umkhonzi wakho, Musa ukubutyhala ubuso bomthanjiswa wakho.

11UYehova wamfungela uDavide; Inyaniso, akayi kubuya kuloo nto, Esithi, Esiqhameni sezibilini zakho Ndimisa oya kuba setroneni yakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ukuba bathe oonyana bakho bawugcina umnqophiso wam, Nesingqiniso sam endibafundisayo: Oonyana babo bothi nabo bahlale Etroneni yakho nanini.

13Ngokuba uYehova uyinyule iZiyon, Uyinqwenele ukuba ibe likhaya lakhe;

14Esithi, Nantsi indawo yam yokuphumla kwam nanini; Ndiya kuhlala apha, ngokuba oko ndikunqwenele.

15Umphako wayo ndiya kuwusikelela kunene; Amahlwempu ayo ndiya kuwahluthisa ngesonka,

16Ndibambathise ngosindiso ababingeleli bayo, Abenceba bayo bamemelele bememelela.

17Apho ndiya kumhlumisela uphondo uDavide, Ndiya kumlungisela isibane umthanjiswa wam.

18Iintshaba zakhe ndiya kuzambathisa udano; Ke phezu kwakhe yena síya kutyatyamba isithsaba sakhe.

IiNdumiso 133

Ubunye bobuzalwana

Ingoma yezinyuko; kaDavide.

1Yabonani, ukuba kúhle, ukuba mnandi, Ukuthi abazalwana bahlale bemxhelo mnye!

2Kunjengeoli elungileyo entloko, Isíhla ezindevini, Ezindevini zika-Aron, Isihla iye emqukumbelweni weengubo zakhe.

3Kunjengombethe waseHermon, Ohla phezu kweentaba zaseZiyon; Ngokuba uYehova wayimisela khona apho intsikelelo, Ubomi, kude kuse ephakadeni.

IiNdumiso 134

Imibongo yasebusuku kuThixo

Ingoma yezinyuko.

1Yabonani, mbongeni uYehova, nonke bakhonzi bakaYehova, Nimiyo endlwini kaYehova ebusuku.

2Phakamiselani engcweleni izandla zenu, Nimbonge uYehova.

3Makakusikelele eZiyon uYehova, UMenzi wezulu nehlabathi.

IiNdumiso 135

Ubukhulu bukaThixo nokungabi namsebenzi kwezithixo

Haleluya.

1Dumisani igama likaYehova; Dumisani, nina bakhonzi bakaYehova,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Nimiyo endlwini kaYehova, Ezintendelezweni zendlu yoThixo wethu.

3Dumisani uYehova, ngokuba elungile uYehova; Libetheleni uhadi igama lakhe, ngokuba kumnandi.

4Ngokuba uYehova unyule uYakobi ukuba abe ngowakhe, Wanyula uSirayeli ukuba abe yinqobo kuye.

5Ngokuba ndiyazi mna ukuba mkhulu uYehova, INkosi yethu ingaphezu koothixo bonke.

6Konke akuthandileyo uYehova uya kwenza, Ezulwini nasemhlabeni, Ezilwandle nasemanzini onke enzonzobila.

7Ulonyusa amafu eziphelweni zehlabathi, Imvula wayenzela imibane; Ulorhola umoya koovimba bakhe.

8Owawabulalayo amazibulo aseYiputa, Ethabathele ebantwini wesa ezinkomeni;

9Wathumela imiqondiso nezimanga Phakathi kwakho, Yiputa, KuFaro nakubakhonzi bakhe bonke;

10Owabulala iintlanga ezinkulu, Wabulala ookumkani abanamandla;

11OoSihon, ukumkani wama-Amori, No-Ogi, ukumkani waseBhashan, Nezikumkani zonke zakwaKanan;

12Walinikela ilizwe labo lalilifa, Lalilifa kumaSirayeli, abantu bakhe,

13Yehova, igama lakho lingunaphakade, Inkumbuzo yakho, Yehova, ikwizizukulwana ngezizukulwana.

14Ngokuba uYehova uya kugweba phakathi kwabantu bakhe, Azohlwaye ngenxa yabakhonzi bakhe.

15Izithixo zeentlanga yisilivere negolide, Umsebenzi wezandla zabantu.

16Zinomlomo nje, azithethi; Zinamehlo nje, aziboni;

17Zineendlebe nje, aziva; Akukho nento engumoya emlonyeni wazo.

18Baya kuba njengazo abenzi bazo, Bonke abasukuba bekholose ngazo.

19Nina ndlu kaSirayeli, bongani uYehova; Nani ndlu ka-Aron, bongani uYehova.

20Nina ndlu kaLevi, bongani uYehova; Nani boyika uYehova, bongani uYehova.

21Ngowokubongwa uYehova eZiyon, Ulohlala eYerusalem. Haleluya!

IiNdumiso 136

Umbulelo ngenxa yenceba kaThixo

1Bulelani kuYehova, ngokuba elungile: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Bulelani kuThixo woothixo: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

3Bulelani kuNkosi kankosi: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

4KuloMenzi wemisebenzi ebalulekileyo emikhulu yedwa: Ngokuba ingunaphakade inceba yake.

5KuloMenzi wezulu ngengqondo: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

6KuloMtwabululi wehlabathi phezu kwamanzi: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

7KuloMenzi wezikhanyiso ezikhulu: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe;

8Ilanga lilawule emini: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe;

9Inyanga neenkwenkwezi zilawule ebusuku: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

10Kulowabulala amaYiputa kumazibulo awo: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

11Wawakhupha amaSirayeli phakathi kwawo: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

12Ngesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo: Ngokuba ingunaphakade inceba yekhe.

13KuloMgabuli woLwandle oluBomvu, lwagabuka: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

14Wawaweza amaSirayeli esazulwini salo: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

15Wamvuthululela uFaro nempi yakhe eLwandle oluBomvu: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

16Kulohambisa abantu bakhe entlango: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

17Kulowaxabela ookumkani abakhulu: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

18Wabulala ookumkani abaziingangamsha: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe;

19USihon, ukumkani wama-Amori: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe;

20No-Ogi, ukumkani waseBhashan: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

21Walinikela ilizwe labo laba lilifa: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe,

22Laba lilifa kuSirayeli umkhonzi wakhe: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

23Owasikhumbulayo ebuphantsini bethu: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

24Wasihlangula kwabasibandezelayo: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

25Ulonika into yonke ephilileyo ukudla: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

26Bulelani kuThixo wamazulu: Ngokuba ingunaphakade inceba yakhe.

IiNdumiso 137

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ubukrakra bentlalo yokuthinjwa eBhabheli

NgaseMilanjeni yaseBhabheli

1sahlala phantsi khona, salila, Sakùyikhumbula iZiyon.

2Emingculubeni phakathi kwayo Sazixhoma khona iihadi zethu.

3Ngokuba khona apho abathimbi bethu basibiza Izango zengoma; Abathuthumbisi bethu basibiza uvuyo, Besithi, Sivumeleni ingoma yaseZiyon.

4Singáthini na ukuvuma ingoma kaYehova Emhlabeni wolunye uhlanga?

5Ukuba ndithe ndakulibala, Yerusalem, Masinyèle isandla sam sokunene.

6Ulwimi lwam malunamathele ekhuhlangubeni lam, Ukuba andithanga ndikukhumbule; Ukuba andithanga ndiyinyuse iYerusalem Ngaphezu kwemivuyo yam yonke.

7Bakhumbule, Yehova, oonyana bakaEdom, Umhla weYerusalem, Abo bathi, Yidilizeni, yidilizeni Kuse elusekweni lwayo.

8Ntombi inguBhabheli, wena unyashiweyo; Hayi, uyolo lwalowo ukubuyekezayo ukuphatha kwakho Osiphethe ngako!

9Hayi, uyolo lwalowo ubabambayo abahlekeze abantwana bakho Engxondorheni!

IiNdumiso 138

Umbongo ngenxa yofefe lukaThixo

EkaDavide.

1Ndiya kubulela kuwe ngentliziyo yam yonke; Phambi koothixo ndiya kukubethela uhadi.

2Ndiya kuqubuda ndibhekise etempileni yakho engcwele, Ndibulele kwigama lakho, ngenxa yenceba yakho, nangenxa yenyaniso yakho; Kuba ulikhulisile ilizwi lakho ngaphezu kwegama lakho lonke.

3Ngomhla wokubiza kwam wandiphendula, Wandikhaliphisa, yangamandla emphefumlweni wam.

4Baya kubulela kuwe, Yehova, bonke ookumkani behlabathi, Bakuweva amazwi omlomo wakho;

5Bavume ngeendlela zikaYehova, Ukuba lukhulu uzuko lukaYehova:

6Ngokuba noko uYehova aphakamileyo, úyambona othobekileyo; Ke yena oziphakamisayo úmazi nakude.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ukuba ndithe ndahamba-hamba phakathi kweembandezelo, ùyandiphilisa;
Wòsolulela emsindweni weentshaba zam isandla sakho, Sindisindise isandla sakho
sokunene.

8UYehova uya kundifezela. Yehova, inceba yakho ingunaphakade, Izenzo zezandla
zakho musa ukuziyekela.

IiNdumiso 139

UThixo wazi zonke izinto; ukuzo zonke iindawo

Kumongameli; ekaDavide. Umhobe.

1Yehova, ùndigocagocile, wandazi.

2Wena uyakwazi ukuhlala kwam nokusuka kwam; Uyaziqonda izicamango zam
nakude.

3Ukuhamba kwam nokulala kwam, ùyakwela; Uqhelene neendlela zam zonke.

4Ngokuba akukho lizwi elulwimini lwam Ongalaziyo ke, Yehova, kanye.

5Ngasemva nangaphambili undingqingile, Wasibeka phezu kwam isandla sakho.

6Kubalulekile kum oko kwazi, Kuphezulu, kundinqabele.

7Ndingahambela phi na ukumka emoyeni wakho? Ndingabalekela phi na ukumka
ebusweni bakho?

8Ukuba ndithe ndenyuka ndaya emazulwini, ùlapho wena; Ukuba ndithe
ndazandlalela kwelabafileyo, nanko ukho.

9Ukuba ndithe ndaphakamisa amaphiko esifingo, Ndaya ndahlala ekupheleni
kolwandle,

10Besingandikhaphayo kwanalapho isandla sakho, Sindibambe isandla sakho
sokunene.

11Ukuba ndithe, Mabundisongele ubumnyama bona bodwa, Nokukhanya kube
bubusuku ngeenxa zonke kum:

12Kwanobumnyama obo abungebi bubumnyama kuwe; Ubusuku bungába mhlophe
njengemini, Ubumnyama bungába njengokukhanya

13Ngokuba wena wazibumba izintso zam, Wandibiyela esizalweni sikama.

14Ndiyabulela kuwe ngenxa enokuba ndenziwe ngokoyikekayo, ngokubalulekileyo;
Zibalulekile izenzo zakho, Umphefumlo wam úyazi kakuhle.

15Ayengàgushekile kuwe amathambo am, Mna ndenzelwáyo entsithelweni,
Ndalukwa ndayimfakamfele ezinzulwini zomhlaba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Amehlo akho andibona ndiseyimbumba, Zazibhalwe encwadini yakho iimini zonke
ziphela; Ziyiliwe ngenxa engaphambili, Kungekabikho ke nanye kuzo.

17Kum ke zinjani na ukunqaba izicamango zakho, Thixo! Àsinganganí isimbuku sazo!

18Zingáthi, ndizibalile, zibe ninzi ngaphezu kwentlabathi; Ndakuvuka ndoba
ndisenawe.

19Ngamana wambulala ongendawo, Thixo! Nina madoda amagazi, sukani kum.

20Abo bakukhankanyela amayelenqe, Balibizela inkohlakalo igama lakho abazondi
bakho.

21Andinakubathiya na abakuthiyayo, Yehova, Ndikruquke ngabasukela phezulu
kuwe?

22Ndibathiya ngentiyo ephelelisileyo, Kum mna baziintshaba.

23Ndígocagoce, Thixo, uyàzi intliziyo yam; Ndícikide, uzàzi iingcinga-ngcinga zam;

24Ubòne ukuba kukho ndlela yobubi na kum, Undikhaphele kwindlela
engunaphakade.

IiNdumiso 140

Umthandazo wokucela ukukhuselwa elugonyamelweni

Kumongameli. Umhobe kaDavide.

1Ndíhlangule, Yehova, esintwini esinobubi, Ndílondoloze emntwini ogonyamelayo,

2Abacinga okubi entliziyweni. Imihla yonke baxhaya imfazwe.

3Balola ulwimi lwabo njengenyoka; Ubuhlungu berhamba busemlonyeni
wabo. ***(Phakamisani.)***

4Ndígcine, Yehova, ezandleni zongendawo, Ndílondoloze emntwini ogonyamelayo,
Abacinga ukuzikhubekisa iinyawo zam.

5Abanekratshi bandiqhushekéle isibatha nezintya, Baneké umnatha ecaleni
kwendlela, Bandithiyéle ngemigibe. ***(Phakamisani.)***

6Ndithi kuYehova, ÙnguThixo wam; Beka indlebe, Yehova, elizwini lesikhungo sam.

7Yehova, Nkosi yam, nqaba endisindisayo, Ùyigqubuthèle intloko yam ngemini
yeduli.

8Musa ukumnika, Yehova, ongendawo iminqweno yakhe; Musa ukuwuphumelelisa
umnkqangiyelo wakhe, Hleze aziphakamise. ***(Phakamisani.)***

9Yona intloko yabandingqingayo, Ububi bomlomo wabo mabubagubungele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Mabathotyelwe amalahle avuthayo; Makabawise emlilweni, emimbithini, bangabi saphuma.

11Indoda enolwimi mayingazinzi ehlabathini; Indoda enokugonyamela, ububi mabuyizingele ngembembetshane.

12Ndiyazi ukuba uYehova uya kulifeza Ityala losizana, ibango lamahlwempu.

13Inene, amalungisa aya kubulela kwigama lakho; Baya kuhlala ebusweni bakho abathe tye.

IiNdumiso 141

Umthandazo wokucela ukuthembeka kuThixo

Umhobe kaDavide.

1Yehova, ndiyakunqula, khawuleza uze kum; Libekele indlebe izwi lam ekudandulukeni kwam kuwe.

2Umthandazo wam mawuhlale uhleli phambi kwakho usisiqhumiso, Nokuphakamisa kwam izandla kube ngumnikelo wangokuhlwa.

3Umlomo wam wumisele umlindi, Yehova; Misa umgcini emnyango womlomo wam.

4Intliziyo yam musa ukuyithobela entweni embi, Ukuba isebenze intlondi yokungendawo Namadoda asebenza ubutshinga; Mandingazidli izimnandi zawo.

5Malindibethe ilungisa linenceba, lindohlwaye; Ioli enjalo yentloko ayingeyali intloko yam: Ngokuba usekho nomthandazo wam ebubini bawo.

6Bakhahlelwa emacaleni engxondorha abagwebi bawo, Beve amazwi am ukuba amnandi.

7Njengolimayo enqika umhlaba, Anjalo ukuthi saa amathambo ethu emlonyeni wengcwaba.

8Ngokuba akuwe, Yehova, Nkosi yam, amehlo am; Ndizímela ngawe; musa ukuwuphalaza umphefumlo wam.

9Ndígcine esangweni lomgibe wabandithiyelayo, Nasezirhintyelweni zabasebenza ubutshinga.

10Mabeyele ezintanjeni zabo abangendawo, Ndide ndidlule mna okukanye.

IiNdumiso 142

Umthandazo wokucela ukuhlangulwa entshutshisweni

Eyokuqiqa kaDavide; oko ebesemqolombeni. Umthandazo.

1Ndikhala kuYehova ngezwi lam, Ndikhunga uYehova ngezwi lam,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ndiphalaza inkalazo yam phambi kwakhe, Ndixela imbandezelo yam phambi kwakhe.

3Ekutyhafeni komoya phakathi kwam, Ùyayazi wena ingqushu yam. Emendweni endihamba ngawo Bandiqhushekela isibatha.

4Bheka ngasekunene ubone, Akukho undibukayo; Andinandawo ndingasabela kuyo, Akukho uwukhathaleleyo umphefumlo wam.

5Ndikhala kuwe, Yehova, Ndithi, Nguwe ihlathi lam, Isabelo sam ezweni labahleliyo.

6Kúbazele indlebe ukuhlahlamba kwam, Ngokuba ndiswele kakhulu: Ndíhlangule kwabandisukelayo, Ngokuba bomelele kunam.

7Wukhuphe entolongweni umphefumlo wam, Ndibulèle kwigama lakho. Amalungisa aya kuzithi jize ngesithsaba ngenxa yam, Ngokuba ùndiphethe kakuhle.

IiNdumiso 143

Umthandazo wokucela ukuhlangulwa

Umhobe kaDavide.

1Yehova, yiva umthandazo wam, kubekele indlebe ukutarhuzisa kwam; Ndíphendule ngokunyaniseka kwakho, ngobulungisa bakho.

2Musa ukumsa ematyaleni umkhonzi wakho: Ngokuba phambi kwakho akukho namnye uhleliyo olilungisa.

3Ngokuba utshaba luwusukele umphefumlo wam, Lubutyumzèle emhlabeni ubomi bam; Lundihlalise ezindaweni ezimnyama, njengabafe ngonaphakade.

4Utyhafile phakathi kwam umoya wam; Imangalisiwe phakathi kwam intliziyo yam.

5Ndikhumbula imihla yamandulo; Ndicamngca ngemisebenzi yakho yonke, Ndicamngca ngesenzo sezandla zakho.

6Ndizolulela kuwe izandla zam, Umphefumlo wam ukungxamele njengelizwe elibharhileyo. *(Phakamisani.)*

7Khawuleza undiphendule, Yehova; úyaphela umoya wam. Musa ukubusithelisa kum ubuso bakho, Ndifàne nabahla baye emhadini.

8Ndívise kwakusasa inceba yakho, Ngokuba ndikholose ngawe. Ndazise indlela endiya kuhamba ngayo: Ngokuba ndiwuphakamisela kuwe umphefumlo wam.

9Ndíhlangule ezintshabeni zam, Yehova. Ndizímela ngawe. Ndífundise ukwenza ikholo lakho, ngokuba unguThixo wam.

10UMoya wakho olungileyo makandikhaphele ezweni elisithabazi.

11Ngenxa yegama lakho, Yehova, ndiphilise; Wúkhuphe embandezelweni umphefumlo wam ngobulungisa bakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ngenceba yakho zibhangise iintshaba zam, Ubatshabalalise bonke abawubandezelayo umphefumlo wam, Ngokuba ndingumkhonzi wakho.

IiNdumiso 144

Umthandazo wokucela ukuhlangulwa; inkcazo yesizwe esonwabileyo

EkaDavide.

1Makabongwe uYehova, uliwa lam, Ulofundisa izandla zam ukulwa, Iminwe yam imfazwe.

2Unceba yam, umboniselo yam, Ungxonde yam, umsindisi wam, mna lo; Ungweletshetshe yam, undizímela ngaye; Ulonyathelela abantu bam phantsi kwam.

3Yehova, úyintoni na umntu, le nto umaziyo? Unyana womfo, le nto umnyamekelayo?

4Umntu lo ufana nomphunga, Imihla yakhe injengethunzi elidlulayo.

5Yehova, thoba amazulu akho, uhle; Phatha ezintabeni, ziqhume.

6Banekisa imibane, uziphangalalise; Thuma iintolo zakho, uziduba-dube.

7Thuma izandla zakho, zivele phezulu; Ndírhole, ndíhlangule emanzini amakhulu, Esandleni soonyana bolunye uhlanga;

8Abamlomo uthetha inkohlakalo, Abasandla sokunene sisesokunene sobuxoki.

9Thixo, ndokuvumela ingoma entsha, Ndikubethele umrhubhe ontambo zilishumi;

10Ulonika ookumkani usindiso, Ulohlangula uDavide umkhonzi wakhe ekreleni elinobubi.

11Ndírhole, ndíhlangule esandleni soonyana bolunye uhlanga, Abamlomo uthetha inkohlakalo, Abasandla sokunene sisesokunene sobuxoki;

12Baze oonyana bethu babe njengezityalo ezikhulileyo ebutsheni babo; Iintomni zethu zibe njengeembombo ezivathisiweyo ngeemfakamfele ngokokwakhiwa kwebhotwe;

13Oovimba bethu bazale, bavelise iintlobo ngeentlobo; Iigusha zethu zizale amawaka, zande ngezigidi emaphandleni ethu;

14Iinkomo zethu zizale, Kungabikho kungenelwa, kungabikho kuthinjwa, Kungabikho kuhlahlamba ezitratweni zethu.

15Hayi, uyolo lwabantu ekunjalo kubo! Hayi, uyolo lwabantu abaThixo unguYehova!

IiNdumiso 145

Ubukhulu nokulunga kukaThixo

Eyokudumisa kaDavide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ndiya kukuphakamisa, Thixo wam, wena Kumkani, Ndilibonge igama lakho ngonaphakade kanaphakade.

2Imihla yonke ndiya kukubonga, Ndilidumise igama lakho ngonaphakade kanaphakade.

3Mkhulu uYehova, ngowokudunyiswa kakhulu; Ubukhulu bakhe abunakugocwagocwa.

4Izizukulwana ngezizukulwana, kunconywa izenzo zakho, Kuxelwe ubugorha bakho.

5Bunobungangamela ubuqaqawuli bendili yakho; Ngeendawo zakho ezibalulekileyo ndiya kucamngca.

6Bothetha ngamandla ezenzo zakho ezoyikekayo, Ndibalìse ngobukhulu bakho.

7Bompompoza isikhumbuzo sokulunga kwakho okukhulu, Bamemelele ngobulungisa bakho.

8Únobabalo nemfesane uYehova, Uzeka kade umsindo, mkhulu ngenceba.

9Ulungile uYehova kubo bonke, Imfesane yakhe ikuzo zonke izenzo zakhe.

10Ziyabulela kuwe, Yehova, zonke izenzo zakho, Bakubonge abákho benceba;

11Uzuko lobukumkani bakho balutsho, Bathethe ngobugorha bakho.

12Ukuba babazise oonyana babantu ubugorha bakhe, Ubuqaqawuli obuhle bobukumkani bakhe.

13Ubukumkani bakho bubukumkani bamaphakade onke, Nolawulo lwakho lukwizizukulwana ngezizukulwana.

14UYehova ungumxhasi wabo bonke abawayo, Ngumphakamisi wabo bonke abagobileyo.

15Amehlo eento zonke akhangele kuwe, Wena ke uzinika ukudla kwazo ngexesha elililo;

16Ùyasivula isandla sakho, Uzihluthise iinto zonke eziphilileyo ngeento ezikholekileyo.

17Úlilungisa uYehova ngeendlela zakhe zonke, Unenceba ngezenzo zakhe zonke.

18Usondele uYehova kubo bonke abamnqulayo, Kubo bonke abamnqulayo ngenyaniso.

19Úyayenza into ekholekileyo kwabamoyikayo, Akuve ukuzibika kwabo, abasindise.

20UYehova ungumgcini wabo bonke abamthandayo, Abatshabalàlise bonke abangendawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Umlomo wam mawuthethe indumiso kaYehova, Inyama yonke ilibonge igama lakhe elingcwele ngonaphakade kanaphakade.

IiNdumiso 146

UThixo uMncedi omkhulu wabantu

1Haleluya! Mdumise uYehova, mphefumlo wam.

2Ndiya kumdumisa uYehova lo gama ndidla ubomi; Ndiya kumbethela uhadi uThixo wam ekubeni ndingosekhoyo.

3Musani ukukholosa ngamanene, Ngonyana womntu, yena ungenalo usindiso.

4Uyaphuma umoya wakhe, abuyele yena emhlabeni wakhe; Ngaloo mini ayatshitsha amabhongo akhe.

5Hayi, uyolo lwalowo uluncedo lunguThixo kaYakobi, Lwalowo ulinde kuYehova uThixo wakhe:

6KuMenzi wezulu nomhlaba, Nolwandle neento zonke ezikulo; Kulogcina inyaniso ngonaphakade;

7Kogweba ityala labacudiswayo; Kopha abalambileyo ukudla; KuYehova okhulula ababanjwa;

8KuYehova ovula amehlo eemfama; KuYehova ophakamisa abagobileyo; KuYehova othanda amalungisa;

9KuYehova ogcina abaphambukeli; Kulophakamisa inkedama nomhlolokazi, Ayiphethule indlela yabangendawo.

10UYehova ungukumkani ngonaphakade, UThixo wakho, Ziyon, kwizizukulwana ngezizukulwana. Haleluya!

IiNdumiso 147

Umbongo wamandla kaThixo nobubele bakhe kuSirayeli

1Haleluya! Ngokuba kulungile ukuvuma ngoThixo wethu; Ngokuba kumnandi, ifanelekile indumiso.

2Umakhi weYerusalem nguYehova; Abagxothwa bakwaSirayeli ubabuthela khona.

3Ulophilisa abaphuke intliziyo, Abophe amanxeba abo;

4Ulobala inani leenkwenkwezi, Ezibiza zonke ngamagama.

5Inkulu iNkosi yethu, inamandla amakhulu; Ingqondo yayo ayiphele ndawo.

6Ulophakamisa abalulamileyo nguYehova, Uthobela abangendawo emhlabeni.

7Hlabelani kuYehova eyokubulela, Mbetheleni uhadi uThixo wethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ulosibekelisa izulu ngamafu, Ulolungisela umhlaba imvula; Ulontshulisa utyani ezintabeni;

9Ulonika inkomo ukudla, Namathole ehlungulu alilayo.

10Akabunanze nganto ubugorha behashe, Akakholiswa zizitho zendoda;

11UYehova ukholiswa ngabamoyikayo, Abalindé inceba yakhe.

12Mncome uYehova, Yerusalem. Mdumise uThixo wakho, Ziyon:

13Ngokuba eyomelezile imivalo yamasango akho, Ebasikelele abantwana bakho phakathi kwakho.

14Ngulomisa uxolo emideni yakho, Wakuhluthisa ngengqolowa etyebileyo.

15Ulothumela intetho yakhe ehlabathini, Ilizwi lakhe ligidima ngokukhawuleza;

16Ulonika ikhephu njengoboya bezimvu, Ugcwayela iqabaka njengothuthu,

17Ephosa umkhenkce wakhe njengamaqhekeza; Ngubani na onokuma phambi kwengqele yakhe?

18Uthumela ilizwi lakhe, ezo nto azinyibilikise; Uvuthuzisa umoya wakhe, aqukuqele amanzi.

19Uloxelela uYakobi ilizwi lakhe, USirayeli imimiselo yakhe namasiko akhe.

20Àkenjanga ngalo kolunye uhlanga, Namasiko àluwazi. Haleluya!

IiNdumiso 148

Yonke indalo mayidumise uYehova

1Haleluya! Dumisani uYehova emazulwini; Mdumiseni ezindaweni eziphezulu.

2Mdumiseni, nonke zithunywa zakhe; Mdumiseni, nonke mikhosi yakhe;

3Mdumiseni, wena langa, nawe nyanga; Mdumiseni, nonke zinkwenkwezi zinokukhanya;

4Mdumiseni, mazulu awo amazulu, Nani, manzi angaphezu kwezulu.

5Mazilidumise ezo nto igama likaYehova; Ngokuba wawisa umthetho, zadalwa.

6Wazimisa ngonaphakade kanaphakade, Wazimisela ummiselo ezingayi kuwugqitha.

7Dumisani uYehova ehlabathini, Nina bominenga, nani nonke, manzi enzonzobila:

8Wena mlilo, nawe sichotho; wena khephu, nawe msi; Moya uvuthuzayo, ulenzayo ilizwi lakhe;

9Nina zintaba, nani zinduli nonke, Nina mithi eneziqhamo, nani misedare nonke;

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Nina marhamncwa, nani zinkomo nonke, Nina zinambuzane, nani zintaka zinamaphiko;

11OoKumkani behlabathi, nezizwe zonke, Abathetheli nabagwebi behlabathi lonke;

12Umlisela kwanomthinjana, Amadoda amakhulu kunye nabafana:

13Mabalidumise igama likaYehova, Ngokuba liyingxonde igama lakhe yena yedwa; Indili yakhe ingaphezu komhlaba nezulu.

14Wabaphakamisela abantu bakhe uphondo, Lwayindumiso kwabakhe benceba bonke, Koonyana bakaSirayeli, abantu abasondeleyo kuye. Haleluya!

IiNdumiso 149

USirareli makambonge uYehova

1Haleluya! Mvumeleni uYehova ingoma entsha, Indumiso yakhe ebandleni labenceba.

2USirayeli makavuye ngoMenzi wakhe; Usapho lwaseZiyon malugcobe ngoKumkani walo.

3Mabalidumise igama lakhe beqamba, Bembethela ingqongqo nohadi.

4Ngokuba uYehova uyakholiswa ngabantu bakhe, Uyabahombisa abalulamileyo ngoloyiso.

5Mabadlamke benozuko abenceba, Mabamemelele besezililini zabo.

6Yimibongo kaThixo emqaleni wabo, Likrele elintlangothi mbini esandleni sabo;

7Ukuze benze impindezelo ezintlangeni, Izohlwayo ezizweni;

8Bakhonkxe ookumkani bazo ngemixokelelwane, Nabazukileyo kuzo ngamakhamandela esinyithi;

9Benze kubo isiko elibhaliweyo. Luzuko olo lwabakhe benceba bonke. Haleluya!

IiNdumiso 150

Mdumiseni uThixo

1Haleluya! Dumisani uThixo engcweleni yakhe, Mdumiseni esibhakabhakeni samandla akhe.

2Mdumiseni ngenxa yobugorha bakhe, Mdumiseni ngokobuninzi bobukhulu bakhe.

3Mdumiseni ngokuvuthela isigodlo, Mdumiseni ngomrhubhe nohadi.

4Mdumiseni ngengqongqo nengqungqo, Mdumiseni ngeento ezineentambo nogwali.

5Mdumiseni ngamacangci akhenkcezayo, Mdumiseni ngamacangci adumayo.

6Yonke into ephefumlayo mayimdumise uYehova. Haleluya!

© 1975 Bible Society of South Africa.

ImiZekeliso

ImiZekeliso 1

Ukuxabiseka kwemizekeliso

1 ImiZekeliso kaSolomon unyana kaDavide, ukumkani wamaSirayeli,

2 Yokuba kwaziwe ubulumko noqeqesho; Yokuba kuqondwe iintetho zengqondo;

3 Yokuba kwamkelwe uqeqesho lwengqiqo, Ubulungisa, nesiko, nokuthe tye;

4 Yokuba izidenge zinikwe ubuqili, Ulutsha lunikwe ukwazi nokunkqangiyela;

5 Ukuze eve osisilumko, aqokele afunde, Oqondayo azuze amacebo obulumko;

6 Yokuba kuqondwe umzekeliso nezafobe zokuthetha, Amazwi ezilumko nezintsonkotha zazo.

Balumkele aboni

7 Ukoyika uYehova kukuqala kokwazi; Ubulumko noqeqesho izimathane ziludelile.

8 Nyana wam, yiva uqeqesho lukayihlo, Ungawulahli umyalo kanyoko.

9 Kuba ezo zinto zisisangqawe esihle entlokweni yakho, Nezambalo emqaleni wakho.

10 Nyana wam, ukuba aboni bathe bakuhenda, Uze ungavumi ke.

11 Ukuba bathe, Hamba nathi, Masilalele igazi, Masibalalele abamsulwa bengenatyala;

12 Masibaginye njengelabafileyo behleli, Begqibelele, njengabehla baye emhadini;

13 Sofumana ubuncwane obunqabileyo, Sozizalisa izindlu zethu ngamaxhoba;

14 Wena ke woliphosa phakathi kwethu iqashiso lakho, Yoba nye ingxowa yethu sonke:

15 Nyana wam, musa ukuhamba ngendlela nabo; Lunqande unyawo lwakho emendweni wabo.

16 Kuba iinyawo zabo zigidimela ububi, Zikhawulezela ukuphalaza igazi;

17 Kuba úfumana usanekwa umnatha Emehlweni eentaka ezi zonke;

18 Ke bona balalela elabo igazi, Bazonda owabo umphefumlo.

19 Unjalo umendo wabo bonke abangxamele inzuzo embi; Imka nomphefumlo womniniyo.

Ukumemeza kobulumko

20 Ubulumko bumemeza ngaphandle, Buvakalisa izwi labo ezitratweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Bumemeza emantloko eendawo zembutho; Ekungeneni kwamasango, Phakathi komzi, buthetha iintetho zabo, busithi:

22Kunini na, ziyathandini, nithanda ubuyatha, Abagxeki befuna ukugxeka, Izinyabi zithiya ukwazi?

23Nithe nabuyela ekohlwayeni kwam, Niyabona, ndowumpompozisela kuni umoya wam, Ndonazisa amazwi am.

24Ngokokuba ndinibizile, anavuma, Ndolulé isandla sam, akwabakho ukhathalayo;

25Nesuka naliyeka necebo lam lonke, Anavuma ndakunohlwaya.

26Nam ke ndonihleka ekusindekeni kwenu; Ndogculela ekufikeni kokunkwantyiswa kwenu;

27Ekufikeni kokunkwantyiswa kwenu njengesithonga, Ekuzeni kokusindeka kwenu njengesaqhwithi, Ekufikelweni kwenu yimbandezelo nenkcutheko.

28Baya kwandula bandibize, ndingaphenduli, Bandifune kwakusasa, bangàndifumani;

29Ngethuba lokuba bakuthiyile ukwazi, Àbakunyula ukoyika uYehova;

30Àbalivuma icebo lam, Basigiba sonke isohlwayo sam:

31Baya kudla ke isiqhamo sendlela yabo, Bahluthe ngamacebo abo.

32Kuba ukuphamba kweziyatha kuyazibulala, Nobunqobo bezinyabi buyazitshabalalisa.

33Ke yena ondivayo uhleli ekholosile, Wonwabile ekunkwantyiseni kobubi.

ImiZekeliso 2

Ubulumko buzisa usindiso nesidima

1Nyana wam, ukuba uthe wazamkela iintetho zam, Wayiqwebela kuwe imithetho yam,

2Ukuze uyibazele ubulumko indlebe yakho, Uyithobele ukuqonda intliziyo yakho;

3Ewe, ukuba uthe wayibiza ingqondo, Walisa ekuqondeni ilizwi lakho;

4Ukuba uthe wabufuna njengesilivere, Wabumba njengobutyebi obuselelweyo:

5Ùya kwandula ukukuqonda ukoyika uYehova, Ukufumane ukumazi uThixo,

6Ngokuba uYehova upha ubulumko; Emlonyeni wakhe kuphuma ukwazi nokuqonda.

7Ubaqwebela uzimaso abathe tye, Uyingweletshetshe kwabahamba ngengqibelelo,

8Ukuze alondoloze umendo wesiko, Agcine nendlela yabakhe benceba.

9Ùya kwandula uqonde ubulungisa, Nesiko, nokuthe tye, nayo yonke imikhondo yokulungileyo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuba ubulumko buya kungena entliziyweni yakho, Ukwâzi kwenze mnandi umphefumlo wakho.

11Ukunkqangiyela kókugcina, Ukuqonda kókulondoloza;

12Ukuba kukuhlàngule endleleni embi, Kubantu abathetha impenduka;

13Kwabashiya umendo wokuthe tye, Ukuze bahambe ngeendlela zobumnyama;

14Kwabavuyela ukwenza ububi, Bagcobe ngeempenduka zabenza ububi;

15Abamendo ujibilizayo, Abathi gu bucala ngemikhondo yabo;

16Ukuze uhlangulwe kumkamntu, Kowolunye uhlanga, ontetho yakhe igudileyo;

17Lowo ushiya ikholwane lobutsha bakhe, Awulibale umnqophiso woThixo wakhe.

18Kuba útshona ekufeni nendlu yakhe, Nemikhondo yakhe itshonela kwabangasekhoyo;

19Bonke abangénayo kuye ababuyi, Abafiki kumendo wobomi:

20Ukuze uhambe ngendlela yabalungilyo, Ugcine umendo wamalungisa.

21Ngokuba abathe tye baya kulíma ilizwe, Basale kulo abagqibeleleyo,

22Banqunyùlwe ezweni abangendawo, Abanginizayo bancothulwe kulo.

ImiZekeliso 3

Ukuthobela uThixo nomvuzo wako

1Nyana wam, musa ukuwulibala umyalelo wam; Intliziyo yakho mayiyibambe imithetho yam;

2Kuba iya kukongeza imihla emide, Neminyaka yobomi, noxolo.

3Inceba nenyaniso mayingakushiyi; Zínxibe kuwe emqaleni; Zíbhale elucwecweni lwentliziyo yakho,

4Ubabalwe ube nengqiqo entle Emehlweni kaThixo nawabantu.

5Kholosa ngoYehova ngentliziyo yakho yonke, Ungayami okwakho ukuqonda.

6Uze umazi yena ezindleleni zakho zonke; Wówulungelelanisa umendo wakho.

7Musa ukuba sisilumko kwawakho amehlo; Yoyika uYehova usuke entweni embi.

8Ukuphila kobakho enkabeni yakho, Nokuqina emathanjeni akho.

9Mzukise uYehova ngobuncwane bakho, Nangentlahlela yongeniselo lwakho lonke:

10Ózala amaqonga akho bubuninzi, Nemikhombe yakho yokukhongozela iphuphume iwayini entsha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Uqeqesho lukaYehova, nyana wam, musa ukulucekisa, Ungakruquki sisohlwayo sakhe;

12Kuba lo amthandayo uYehova uyamohlwaya, Njengoyise esohlwaya unyana akholwayo nguye.

Imivuzo yobulumko

13Hayi, uyolo lomntu ofumene ubulumko, Lomntu ozuze ingqondo!

14Kuba lulungile urhwebo lwabo ngaphezu korhwebo lwesilivere, Nongeniselo lwabo ngaphezu kwegolide embiweyo.

15Bunqabile bona ngaphezu kwekorale, Nezinto zakho zonke ezinqwenelekayo azilingani nabo.

16Imihla emide isesandleni sabo sokunene, Kwesokhohlo sabo bubutyebi nozuko.

17Iindlela zabo ziindlela ezimnandi, Wonke umendo wabo uluxolo.

18Bungumthi wobomi kwababambelela kubo, Únoyolo obubambayo.

19UYehova waliseka ihlabathi ngobulumko, Walizinzisa izulu ngengqondo.

20Agqobhoka amanzi anzongonzongo ngokwazi kwakhe, Savuza umbethe isibhakabhaka.

21Nyana wam, ezi nto mazingemki emehlweni akho: Londoloza uzimaso nomnkqangiyelo.

22Zóba bubomi emphefumlweni, Nento entle emqaleni wakho.

23Ùya kwandula uhambe ngendlela yakho úkholosile. Lungabetheki unyawo lwakho.

24Ukuba uthe walala, akuyi kunkwantya; Wòlala, bube mnandi ubuthongo bakho.

25Musa ukoyika lunkwantyiso luzayo ngesiquphe, Nasithonga sabangendawo, sakufika.

26Kuba uYehova uya kuba yinqolonci yakho, Alugcine unyawo lwakho lungabanjiswa.

Iziyalo ngeziyalo

27Musa ukwala nento elungileyo kolunge nayo, Kwakuba kusemandleni esandla sakho ukuyenza.

28Musa ukuthi kummelwane wakho, Hamba, wòbuya uze, Ndokunika ngomso; Kanti ùnayo.

29Musa ukuyila ububi ngommelwane wakho, Ehleli nawe yena ekholosile.

30Musa ukubambana nomntu kungekho nto, Engakuphathanga kakubi nje.

31Musa ukuyimonela indoda engonyamelayo, Unganyuli nanye kwiindlela zayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Kuba othi gu bucala úlisikizi kuYehova; Ke lunabathe tye ucweyo lwakhe.

33Ingqalekiso kaYehova isendlwini yongendawo; Ke isithili samalungisa úyasisikelela.

34Ngokubhekisele kubagxeki, uyabagxeka; Ke abalulamileyo uyababababala.

35Izilumko ziya kuludla ilifa uzuko; Ke izinyabi zamkela umrhumo wokucukucezwa.

ImiZekeliso 4

Uyise ululeka oonyana bakhe ukuba balandele ubulumko

1Luveni, bonyana, uqeqesho lukayihlo, Nizibaze iindlebe ukuze nikwazi ukuqonda.

2Kuba ndininika imfundiso elungileyo; Musani ukuwushiya umyalelo wam.

3Kuba ndandingunyana kubawo, Ndíthambile, ndímnye phambi koma.

4Wandiyala ke, wathi kum, Intliziyo yakho mayiwabambe amazwi am; Gcina imithetho yam, uphile,

5Rhweba ubulumko, rhweba ingqondo; Musa ukulibala, ungàthi gu bucala entethweni yomlomo wam.

6Musa ukubushiya, bókugcina; Buthande, bókulondoloza.

7Ingqalo yobulumko ithi, Rhweba ubulumko, Ngako konke ukurhweba kwakho urhwebe ingqondo.

8Búnonelele, bokuphakamisa; Bokuzukisa, xa uthe wabuwola.

9Boyinika intloko yakho isangqawe esihle, Bokúpha isithsaba sokuhomba.

10Yiva, nyana wam, uyamkele intetho yam, Iba mininzi kuwe iminyaka yobomi.

11Ndikuyálele indlela yobulumko, Ndikunyathelisé emkhondweni wokuthe tye.

12Ekuhambeni kwakho akayi kuxinana amabanga akho; Nokuba uthe wagidima, akuyi kukhubeka.

13Bambelela eluqeqeshweni, musa ukuluyeka; Lulondoloze, ngokuba lububomi bakho.

14Musa ukungena emendweni wabangendawo, Unganyatheli endleleni yabanobubi.

15Yiyeke; musa ukuya kugqitha kuyo; Yicezele, ugqithe.

16Kuba àbalali, ukuba àbathanga benze ububi; Bemkelwa bubuthongo ukuba àbathanga bakhubekise abanye.

17Kuba badla isonka sokungendawo, Basele iwayini yogonyamelo.

18Ke wona umendo wamalungisa unjengokukhanya komso, Okuya kúbà mhlophe ngokuba mhlophe, kude kube semini enkulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Indlela yabangendawo injengesithokothoko; Àbayazi into abakhubeka kuyo.

20Nyana wam, wabazele indlebe amazwi am; Intetho yam yithobele indlebe yakho.

21Mayingemki emehlweni akho; Yigcine entliziyweni yakho ngaphakathi.

22Kuba ibubomi kwabayifumanayo, Nempiliso enyameni yabo yonke.

23Nazintweni zonke zigcinwayo, londoloza intliziyo yakho; Kuba aphuma kuyo amathende obomi.

24Kususe kuwe ukujibiliza komlomo, Nokuthi gu bucala komlomo kudedise kuwe.

25Amehlo akho makakhangele athi gca, Neenkophe zakho zithi nzo kokuphambi kwakho.

26Lungelelanisa umkhondo wonyawo lwakho, Zonke iindlela zakho zizimaseke.

27Musa ukuthi gu bucala ngasekunene nangasekhohlo; Susa unyawo lwakho entweni embi.

ImiZekeliso 5

Uyise uyala unyana wakhe achase ubuhenyu

1Nyana wam, bubazele indlebe ubulumko bam, Ingqondo yam uyithobele indlebe yakho;

2Ukuze ugcine iminkqangiyelo, Ulondoloze ukwazi umlomo wakho.

3Ngokuba ivuza incindi yobusi imilebe yomlomo womkamntu, Libuthelezi ngaphezu kweoli ikhuhlangubo lakhe;

4Ke ukuphela kwakhe kukrakra njengomhlonyane, Kubukhali njengekrele elintlangothi mbini.

5Iinyawo zakhe zihla ziye ekufeni, Amabanga akhe abambelele kwelabafileyo.

6Akangéze wahamba ngomendo wobomi; Imikhondo yakhe iyajikajika, engazi.

7Ke ngoku, bonyana, ndiveni, Ningemki entethweni yomlomo wam.

8Mayibe kude kuye indlela yakho, Ungasondeli emnyango wendlu yakhe;

9Hleze uyinike abanye intlahla yakho, Uyinike isijorha iminyaka yakho;

10Hleze kuhluthe abasemzini ngamandla akho, Kungene endlwini yowolunye uhlanga ukubulaleka kwakho;

11Ugcume ekupheleni kwakho, Ekudlekeni kwenyama yakho nezihlunu zakho;

12Uthi, Bendiluthiyeleni na uqeqesho, Yasigiba isohlwayo intliziyo yam?

13Àndaliphulaphula izwi labayali bam; Àndayithobela indlebe yam kubafundisi bam!

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ndaphantsa ukuba sebubini bonke Esazulwini sesikhungu nebandla.

15Sela amanzi kwelakho iqula, Nemiqukuqela yamanzi ephuma emthonjeni wakho.

16Mayiphalale phandle imithombo yakho, Ibe yimijelo yamanzi ezitratweni.

17Mayibe yeyakho, yeyakho wedwa, Ingabi yeyabangéngabo abakowenu kunye nawe.

18Malisikelelwe ithende lakho, Uvuye ngumfazi wobutsha bakho;

19Makabe yimazi yexhama elithandekayo, neyegogo elihle; Amabele akhe akukholise ngamaxesha onke, Uyotywe luthando lwakhe kuphele.

20Yini na, nyana wam, ukuba uyotywe ngumkamntu, Uwole isifuba sowolunye uhlanga?

21Kuba iindlela zomntu ziphambi kwamehlo kaYehova, Áyilungelelanise imikhondo yakhe.

22Ubugwenxa bakhe bumthi hlasi ongendawo, Abanjwe ziimbophelelo zesono sakhe.

23Yena ufa kukuswela uqeqesho, Ayobe ebuninzini bokumatha kwakhe.

ImiZekeliso 6

Isiyalo sokuchasa ubumeli

1Nyana wam, ukuba uthe wammela ummelwane wakho, Wabambana nomnye ngesandla:

2Urhintyélwe ngentetho yomlomo wakho, Uthiwé hlasi ngentetho yomlomo wakho.

3Yenza le nto ngoku, nyana wam, uzihlangule; Kuba uzifaké esandleni sommelwane wakho; Yiya, ziwise phantsi, umzame ummelwane wakho.

4Musa ukuwanika ubuthongo amehlo akho, Ungaziniki kozela iinkophe zakho;

5Zihlangule esandleni njengebhadi, Njengentaka esandleni somthiyeli.

Isiyalo sokuchasa ubuvila nobutshijolo

6Yiya embovaneni, vilandini; Khangela iindlela zayo, ulumke:

7Yona ithi, ingenamphathi, Namongameli, namlawuli,

8Isuke isilungise isonka sayo ehlotyeni, Ikubuthe ukudla kwayo ngexa lokuvuna.

9Kunini na ulele, vilandini? Ùya kuvuka nini na ebuthongweni bakho?

10Xa uthe, Intwana yobuthongo, intwana yokozela, Intwana yokukhwabusha izandla ukuba ndilale:

11Boza ubuhlwempu bakho njengomhambi, Nokuswela kwakho njengendoda enengweletshetshe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ngumntu olitshijolo, ngumntu okhohlakeleyo, Lowo uhamba ngokujibiliza komlomo wakhe;

13Útyanda ngoshiyi, uqhubukusha ngeenyawo, Walatha ngophakathi wakhe.

14Yimpenduka entliziyweni yakhe, uyila ububi ixesha lonke, Úngenisa ingxabano.

15Ngenxa yoko kuya kufika ngesiquphe ukusindeka kwakhe; Úya kwaphuka ngephanyazo, angabi nakunyangwa.

16Izinto ezintandathu uzithiyile uYehova, Ezisixhenxe zingamasikizi emphefumlweni wakhe:

17Ngamehlo aqwayingayo; lulwimi oluxokayo; Zizandla eziphalaza igazi elimsulwa;

18Yintliziyo eyila iingcinga zobutshinga; Ziinyawo ezikhawulezayo ukugidimela ebubini;

19Lingqina elixokayo, elifutha amanga; Nongenisa ingxabano phakathi kwabangabazalwana.

Isiyalo sokuchasa ubuhenyu nokukrexeza

20Nyana wam, bamba umthetho kayihlo, Ungasilahli isiyalo sikanyoko.

21Sibophe entliziyweni yakho okukanye, Usinxibe emqaleni wakho.

22Ekuhambeni kwakho sókukhapha; Ekulaleni kwakho sókugcina; Ekuvukeni kwakho sóncokola nawe.

23Ngokuba úsisibane umthetho, silukhanyiso isiyalo; Zinyindlela yobomi izohlwayo eziqeqeshayo;

24Ukuba ugcínwe kumfazi onobubi, Ekugudeni kolwimi lowolunye uhlanga.

25Musa ukubukhanuka ubunzwakazi bakhe ngentliziyo yakho, Angàkubambisi ngeenkophe zakhe;

26Kuba ngenxa yehenyukazi umntu uda adle kuphela intendana yesonka; Umkamntu uzingela umphefumlo onqabileyo.

27Umntu únokuwuthabatha na umlilo ase esifubeni sakhe, Zingàtshi na iingubo zakhe?

28Únokuhamba na umntu phezu kwamalahle avuthayo, Zingatyabuki na iinyawo zakhe?

29Únjalo ongena emfazini wommelwane wakhe; Akukho namnye umchukumisayo, oya kuba msulwa.

30Àlidelwa isela, xa lithe labela Ukwanelisa umphefumlo walo, xa lithe lalamba;

31Lifunyênwe, lihlawula kasixhenxe, Lirhola bonke ubuncwane bendlu yalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Okrexeza umfazi ke uswele intliziyo; Owenza loo nto ngumonakalisi womphefumlo wakhe.

33Ufumanana nobetho nocukucezo, Ungcikivo lwakhe alucimi.

34Kuba ikhwele libubushushu bendoda, Ayiyi kuyeka ngemini yempindezelo.

35Ayiyi kulubeka ucamagusho, nokuba luluphi na; Ayiyi kuvuma, naxa uthe wayicenga ngeento ezininzi.

ImiZekeliso 7

1Nyana wam, gcina intetho yam, Uyiqwebele kuwe imithetho yam.

2Gcina imithetho yam, udle ubomi; Nesiyalo sam, njengokhozo lweliso lakho.

3Yibophe eminweni yakho, Yibhale emacwecweni entliziyo yakho.

4Yithi kubulumko, Ùngudade wethu; Uthi, Ingqondo sisihlobo;

5Ukuze ugcinwe kumkamntu, Kowolunye uhlanga, ontetho igudileyo.

6Kuba ngefestile yendlu yam, Ndíngasemva kwenqwanqwa, ndalunguza;

7Ndabona phakathi kweziyatha, Ndaqonda phakathi kwamadodana, Umfana oswele intliziyo;

8Ehambahamba esesitratweni, kufuphi nekhumbi lendlu yomkamntu, Enyathela ngendlela ngasendlwini yakhe;

9Ngongcwalazi, ukumka komhla, Naphakathi kobusuku esithokothokweni.

10Nanko umfazi emkhawulela, Enengubo yehenyukazi, enentliziyo enobuqhetseba.

11Úyaphithizela, uyinjubaqa; Azihlali endlwini yakhe iinyawo zakhe.

12Uthi ephandle, abe esezitratweni, Alale kufuphi neembombo zonke.

13Wambamba ke, wamanga, Wayingwanyalala ubuso; wathi kuye,

14Imibingelelo yoxolo ibiphezu kwam, Namhla ndizizalisile izibhambathiso zam.

15Ngenxa yoko ndiphumé ndeza kukukhawulela, Ndihle ndakufuna ubuso bakho; ndikufumene ke.

16Umandlalo wam ndiwandlele ngemiqamelo, Ngeengubo ezimfakamfele zoluko lwaseYiputa;

17Ndisifefé isilili sam Ngemore, nehaloti, nesinamon.

18Yize ke sizikholise ngezincokoliso kude kuse, Sizidlamkise ngothando.

19Kuba indoda ayikho ekhaya, Ihambé uhambo olude;

20Iphethe ingxowa yemali; Yobuya ngosuku lokuhlangana kwenyanga ukuza ekhaya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Wamthi gu bucala ngobuninzi bobuciko bakhe, Wamwexula ngokumcenga kwakhe.

22Wamlandela ke ngesiquphe, Njengenkomo isiya ekuxhelweni, Njengesimathane sisiya kuqinwa ngamakhamandela,

23Njengentaka ikhawulezela esibatheni; Ingazi ukuba oko kuyingozi kumphefumlo wayo, Lude utolo lusicande isibindi sakhe.

24Ke ngoko, bonyana, ndiphulaphuleni, Niyibazele indlebe intetho yomlomo wam.

25Intliziyo yakho mayinganxaxheli ezindleleni zakhe, Ungandwendweli emendweni wakhe.

26Kuba zininzi iingxwelerha aziwisileyo; Linani elikhulu alibuleleyo.

27Iziindlela zelabafileyo indlu yakhe, Zihla ziye ezingontsini zokufa.

ImiZekeliso 8

Isimemezo nombongo wobulumko

1Abumemezi na ubulumko? Nengqondo ayilikhuphi na ilizwi layo?

2Emantloko eendawo eziphezulu ngasendleleni, Ekuhlanganeni kweendlela, buzimisile.

3Ngasemasangweni, ekuphumeni kuso isixeko, Ekungeneni eminyango, buyamemelela, buthi:

4Ndimemeza kuni, madoda; Izwi lam ndilisingisa koonyana babantu.

5Buqondeni ubuqili, ziyatha; Yiqondeni intliziyo, zinyabi.

6Yivani, kuba ndithetha izinto zobuhlalu, Nokuvula imilebe yomlomo wam kuthe tye.

7Ngokuba umlomo wam uxela inyaniso; Okungendawo kulisikizi emilebeni yomlomo wam.

8Yonke intetho yomlomo wam isebulungiseni; Kuyo akukho kubhijeneyo nokujibilizayo.

9Yonke iphela ithe gca konengqondo, Ithe tye kwabafumene ukwazi.

10Yamkelani uqeqesho lwam, ningamkeli silivere; Yamkelani ukwazi ngaphezu kwegolide embiweyo, enyuliweyo.

11Kuba ubulumko bulungile ngaphezu kwekorale, Neento zonke ezinqwenelwayo azilingani nabo.

12Mna, bulumko, ndakhele ebuqilini; Ndinokukufumana ukuyazi iminkqangiyelo.

13Ukoyika uYehova kukuthiya into embi: Ikratshi nokukratsha, nendlela embi, Nomlomo onempenduka, ndiwuthiyile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Likum icebo nozimaso; Ndiyingqondo, bobam ubugorha.

15OoKumkani banobukumkani ngam; Nezidwangube zimisa ubulungisa ngam.

16Bathethela ngam abathetheli, Namanene, nabagwebi bonke behlabathi.

17Abandithandayo ndiyabathanda nam; Nabandifunayo kwakusasa bayandifumana.

18Bunam ubutyebi nozuko, Ubuncwane obusisimakade nobulungisa.

19Silungile isiqhamo sam ngaphezu kwegolide embiweyo, nakwengcwengekileyo; Lulungile ungeniselo lwam ngaphezu kwesilivere enyuliweyo.

20Ndihamba ngomendo wobulungisa, Phakathi kweendlela ezisesikweni;

21Ukuze abandithandayo ndibadlise ilifa elililo, Ndizizalise izindlu zabo zobuncwane.

22UYehova wandivelisa ndaba yintlahlela yendlela yakhe, Ndaba ngowamandulo emisebenzini yakhe yakudala.

23Ndamiswa kwasephakadeni, kwasentloko, Kwasemandulweni ehlabathi.

24Ndazalwa kungekabikho manzi anzongonzongo, Kungekabikho mithombo inzima ngamanzi.

25Ndazalwa kungekafakwa ntaba, Naphambi kweenduli;

26Engekawenzi umhlaba namaphandle, Nothuli lonke lwelimiweyo.

27Ekulilungiseni kwakhe izulu, ndandikho apho; Ekubuzungulezeni kwakhe ngomda ubuso bamanzi anzongonzongo;

28Ekusiqiniseni kwakhe isibhakabhaka phezulu; Ekugalelekeni kwemithombo yamanzi anzongonzongo;

29Ekulumiseleni kwakhe ulwandle umda walo, Ukuba amanzi angawugqithi umthetho wakhe; Ekuzimiseni kwakhe iziseko zehlabathi:

30Ndaye ndinaye, ndiyingcibi yomsebenzi, Ndiziyolisa ngokwam iimini ngeemini; Ndidlala phambi kwakhe ixesha lonke,

31Ndidlala kwelimiweyo ihlabathi lakhe; Nokuziyolisa kwam kukoonyana babantu.

32Ke ngoko, bonyana, ndiveni; Hayi, uyolo lwabazigcinayo iindlela zam!

33Yivani uqeqesho, nibe nobulumko, Ningaluyeki.

34Hayi, utolo lomntu ondivayo, Elinde ezingcangweni zam iimini ngeemini, Egcine emigubasini yeminyango yam!

35Kuba ofumana mna, ufumene ubomi; Uzuzé okukholekileyo kuYehova.

36Ophosana nam wona owakhe umphefumlo; Bonke abandithiyayo bathanda ukufa.

ImiZekeliso 9

© 1975 Bible Society of South Africa.

Isidlo nesimemo sobulumko

1Ubulumko buyakhile indlu yabo, Buzixholile iintsika zabo zosixhenxe;

2Buzixhelile iinkomo zabo, buyiphithikezile iwayini yabo; Busilungisile nesithebe sabo;

3Buthume umthinjana wabo, buyamema Ezingqolweni zeenduli zesixeko, buthi,

4Ngubani na osisiyatha? Makaphambukele apha. Oswele intliziyo, buthi kuye,

5Yizani nidle isonka sam, Nisele iwayini endiyiphithikezileyo.

6Yekani ukuba ziziyatha, niphile, Ninyathele endleleni yengqondo.

7Othethisa umgxeki uzizekela ucukucezo; Owohlwaya ongendawo uzizekela isiphako.

8Musa ukumohlwaya umgxeki, hleze akuthiye; Yohlwaya isilumko, sókuthanda.

9Siluleke isilumko, sólumka okunye; Lazise ilungisa, lókongeza ukufunda.

10Yingqalo yokulumka ukoyika uYehova; Ukumazi oyiNgcwele kwaphela yingqondo.

11Kuba yoba mininzi imihla yakho, Wongezwe iminyaka yobomi.

12Ukuba ùthe walumka, uzilumkela okwakho; Ukuba ùthe wagxeka, oko wokuthwala wedwa.

Isimemo sobudenge

13Umfazi onguNonyabi uyaxokozela, Unobuyatha, akazi nto;

14Uhleli emnyango endlwini yakhe esihlalweni, Ezindaweni eziphezulu zesixeko,

15Ukuba ameme abadlula ngendlela, Abalungelelanisa umendo wabo, esithi,

16Ngubani na osisiyatha? Makaphambukele apha. Koswele intliziyo, uthi yena,

17Amanzi abiweyo anencasa, Nesonka esityiwa ngasese simnandi kunene.

18Àkazi ukuba abafileyo bakhona; Basezinzulwini zelabafileyo abamenywa bakhe.

ImiZekeliso 10

Izilumko nezidenge zithelekiswa ngemizekeliso eliqela

ImiZekeliso kaSolomon.

1Unyana olumkileyo uyamvuyisa uyise; Ke unyana osisiyatha usisingqala sonina.

2Ubuncwane bokungendawo abunyusi; Ke bona ubulungisa buhlangula ekufeni.

3UYehova akawuyeki ulambe umphefumlo welungisa; Ke imbimbithelo yabangendawo uyayisunduza.

4Úba lihlwempu osebenza ngesandla esidangeleyo; Ke sona isandla sabakhutheleyo siyatyebisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Obutha ehlotyeni ngunyana onengqiqo; Owozela ngexa lokuvuna ngunyana odanisayo.

6Ziintsikelelo entlokweni yelungisa; Ke wona umlomo wabangendawo ugubungela ugonyamelo.

7Ukukhunjulwa kwelungisa kuhleli kunentsikelelo; Igama labangendawo liba livithi.

8Ontliziyo ilumkileyo uyayamkela imithetho; Omlomo ufumana uthethe ukhahleleka phantsi.

9Ohamba ngengqibelelo uhamba ngenkoloseko; Ke yena ojibilizayo ngeendlela zakhe uyaziwa.

10Otyanda ngoshiyi ubanga imbulaleko; Omlomo ufumana uthethe ukhahleleka phantsi.

11Lithende lobomi umlomo welungisa; Ke wona umlomo wabangendawo ugubungela ugonyamelo.

12Intiyo ixhokonxa ingxabano; Uthando lugubungela zonke izono.

13Ubulumko bufumaneka emlonyeni wonengqondo; Intonga yeyomhlana woswele intliziyo.

14Izilumko ziya kuqhusheka ukwazi, Ke wona umlomo wesimathane yintshabalalo ekwalapha ukusondela.

15Ubuncwane besityebi ngumzi waso oliqele; Iintshabalalo yabasweleyo bubuhlwempu babo.

16Umvuzo welungisa usingisa ebomini; Ungeniselo longendawo lusingisa esonweni.

17Umendo osa ebomini kukugcina uqeqesho; Olahla isohlwayo uyandwendwa.

18Oyifihlayo intiyo ungumlomo wexoki; Ohambisa intlebendwane usisidenge.

19Ebuninzini bamazwi akusweleki sono; Owubambayo umlomo wakhe unengqiqo.

20Yisilivere enyuliweyo ulwimi lwelungisa; Intliziyo yabangendawo yintwana engeyakonto.

21Umlomo welungisa udlisa abaninzi; Izimathane zifa ngokuswela intliziyo.

22Intsikelelo kaYehova, yiyo etyebisayo, Imbulaleko àyongezi nento kuyo.

23Ukwenza amanyala kunjengokudlala kwisidenge; Ubulumko bunjengokudlala, kwindoda enengqondo.

24Into anxunguphala yiyo ongendawo, yiyo emfikelayo; Akunqwenelayo amalungisa aya kunikwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Kwakugqitha isaqhwithi, akabikho ongendawo; Ke lona ilungisa luseko lwaphakade.

26Njengeviniga emazinyweni, njengomsi emehlweni, Linjalo ivila kwabalithumayo.

27Ukoyika uYehova kongeza imihla; Ke yona iminyaka yabangendawo iyanqanyulwa.

28Ukulinda kwamalungisa luvuyo; Ithemba labangendawo liyadaka.

29Iyinqaba yabagqibeleleyo indlela kaYehova; Yintshabalalo kubasebenzi bobutshinga.

30Ilungisa alishukunyiswa naphakade; Ke bona abangendawo abalihlali ilizwe.

31Umlomo welungisa umila ubulumko; Ulwimi lwempenduka luyanqanyulwa.

32Imilebe yomlomo welungisa iyakwazi okwamkelekileyo; Umlomo wabangendawo uyimpenduka.

ImiZekeliso 11

1Isikali esikhohlisayo singamasikizi kuYehova; Ilitye elizeleyo lilikholo kuye.

2Kwafika ukukhukhumala, kofika ukucukucezwa; Bunabathozamileyo ubulumko.

3Ingqibelelo yabathe tye iyabakhapha; Ukuphenula kwamanginingini kuyawabhuqa.

4Àbunyusi ubuncwane ngemini yokuphuphuma komsindo; Ubulungisa buyahlangula ekufeni.

5Ubulungisa bogqibeleleyo bulungelelanisa indlela yakhe; Ongendawo uwa kwangokungendawo kwakhe.

6Ubulungisa babathe tye buyabahlangula; Amanginingini athiwa hlasi kwayimbimbithelo yawo.

7Ekufeni komntu ongendawo liyaphela ithemba lakhe; Ukulinda kwabanamandla obudoda kutshabalele.

8Ilungisa liyahlangulwa embandezelweni, Kufike ongendawo esikhundleni salo.

9Intshembenxa iyamonakalisa ummelwane wayo ngomlomo; Ke ayahlangulwa amalungisa ngokwazi.

10Isixeko siyadlamka ngokuhlala kakuhle kwamalungisa; Ekutshoneni kwabangendawo kuyamemelelwa.

11Ngentsikelelo yabathe tye síyaphakanyiswa isixeko; Ngomlomo wabangendawo siyahleleleka.

12Odela ummelwane wakhe uswele intliziyo; Ke indoda enengqondo ihlala ithi tu.

13Ohamba ehleba uhlakaza ucweyo; Ke yena omoya unyanisileyo uyayigubungela into.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Kwakuba kungekho mbonisi, bayawa abantu; Usindiso lusebuninzini bamaphakathi.

15Kubi kakhulu komele omnye; Ke yena okuthiyayo ukumela omnye ukholosile.

16Umfazi osimilo silungileyo uzizekela uzuko; Abanobungqwangangqwili bazizekela ubutyebi.

17Uwuphethe kakuhle umphefumlo wakhe umtu onenceba; Isijorha siyihlisele ishwangusha inyama yaso.

18Ongendawo usebenzela umvuzo oyinkohliso; Ke yena ohlwayela ubulungisa unomvuzo oyinyaniso.

19Ubulungisa obububo busingisa ebomini; Ophuthuma ububi usingisa ekuzibulaleni kwakhe.

20Ngamasikizi kuYehova abantliziyo zijibilizayo; Ukholwa ngabo bandlela zigqibeleleyo.

21Ukakade onobubi akabi msulwa; Ke yona imbewu yamalungisa iyasínda.

22Likhonkco legolide ethatheni lehagu Inzwakazi eswele izimvo.

23Umnqweno wamalungisa yinto elungileyo yodwa; Ithemba labangendawo kukuphuphuma nje komsindo.

24Kukho ohlakazayo, aye esanda ngokwanda; Kukho nozinqandayo kokumfaneleyo, oko kube yintswelo yodwa.

25Umphefumlo osikelelayo uyatyetyiswa; Oseza ahluthise abanye, uyasezwa ahluthe naye.

26Omangala nengqolowa, luyamqalekisa uluntu; Intsikelelo isentlokweni yothengisa ngayo.

27Ozondelele okulungileyo ufuna okwamkelekileyo; Ongxamele ububi, buya kumfikela.

28Okholosa ngobutyebi bakhe uya kuwa yena; Ke amalungisa aya kuhluma njengamagqabi.

29Ogxugxisa indlu yakhe uya kudla ilifa elingumoya; Isimathane soba ngumkhonzi kontliziyo ilumkileyo.

30Isiqhamo selungisa ngumthi wobomi; Umbambisi wemiphefumlo sisilumko.

31Yabona, ilungisa liyavuzwa ehlabathini; Wobeka phi na ke ongendawo nomoni!

ImiZekeliso 12

1Úthanda uqeqesho othanda ukwazi; Úthiya isohlwayo osisityhakala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Olungileyo uyamkeleka kuYehova; Indoda enamayelenqe uyifumana inetyala.

3Akuzimaseki mntu, enokungendawo; Ke yona ingcambu yamalungisa ayishukunyiswa.

4Umfazi onesidima usisithsaba endodeni yakhe; Owenza okuziintloni unjengempehla emathanjeni ayo.

5Iingcinga zamalungisa zisesikweni; Amacebo abangendawo yinkohliso.

6Amazwi abangendawo ngawokulalela igazi; Umlomo wabathe tye uyabahlangula.

7Bakuba bebhukuqiwe abangendawo, ababikho; Indlu yamalungisa iyema.

8Indoda idunyiswa ngokwengqiqo yayo, Entliziyo igwenxa iba ngodelekileyo.

9Ulungile ophantsi enesicaka, Ngaphezu kozizukisayo eswele ukudla.

10Ilungisa liyawazalelela umphefumlo wenkomo yalo; Iimfesane zabangendawo zibubujorha.

11Owusebenzayo umhlaba wakhe uhlútha kukudla; Osukelana nento engento uswele intliziyo.

12Ongendawo ukhanuka okuzingelwa ngabanobubi; Ingcambu yamalungisa iyanika.

13Ekuphosiseni komlomo kukho isirhintyelo esinobubi; Ke lona ilungisa liyaphuma embandezelweni.

14Ngesiqhamo somlomo wayo indoda iyahlútha kokulungileyo, Nempatho yezandla zomntu ibuyela kuye.

15Indlela yesimathane ithe tye kwawaso amehlo; Ophulaphula ukucetyiswa usisilumko.

16Isimathane sikwazisa kwangaloo mini ukuqumba kwaso; Ke yena onobuqili uyakugubungela ukucukucezwa.

17Ophefumla inyaniso uxela ubulungisa; Ingqina elixokayo lixela inkohliso.

18Kukho ophololoza njengokuhlaba kwekrele; Ke lona ulwimi lwezilumko luyaphilisa.

19Umlomo wenyaniso uzimasekile kwaphela; Ke lona ulwimi oluxokayo lolwephanyazo.

20Inkohliso isentliziyweni yabayila ububi; Ke bona abacebi boxolo bayabuyisa.

21Ilungisa aliqubisani nobubi; Ke bona abangendawo bazele yinkxwaleko.

22Ùngamasikizi kuYehova umlomo oxokayo; Abenza inyaniso ukholisiwe ngabo.

23Umntu onobuqili uyakugubungela ukwazi; Intliziyo yesinyabi ivakalisa ukumatha.

24Isandla sabakhutheleyo siyalawula; Ukudangala kufakwa uviko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Isithukuthezi esisentliziyweni yendoda siyenza igobe; Liyayivuyisa ilizwi elihle.

26Ilungisa lingumkhokeli kuwalo; Indlela yabangendawo iyabandwendwisa.

27Odangeleyo akayibhulisi inyamakazi yakhe; Ke ubuncwane obunqabileyo bomntu kukukhuthala.

28Busemendweni wobulungisa ubomi; Ukuyinyathela indlela yabo kukungafi.

ImiZekeliso 13

1Unyana osisilumko uva uqeqesho lukayise; Ke yena umgxeki akeva kukhalinyelwa.

2Ngesiqhamo somlomo wayo indoda idla okulungileyo. Ke wona umnqweno wamanginingini kukugonyamela.

3Obambe umlomo wakhe ugciné umphefumlo wakhe; Owuthé qheke umlomo wakhe, yintshabalalo kuye leyo.

4Umphefumlo wevila uyanqwena, ungazuzi; Umphefumlo wabakhutheleyo uyatyetyiswa.

5Ilungisa liyithiyile into ebubuxoki; Yena ongendawo uyanukisa, enze okuziintloni.

6Ubulungisa bulondoloza ihambo egqibeleleyo; Okungendawo kuyamphenula umoni.

7Kukho ozenza isityebi, engenayo nento; Kukho ozenza isisweli, enobuncwane obuninzi.

8Ucamagusho lomphefumlo wendoda bubutyebi bayo; Isisweli asiva kusongelwa.

9Isikhanyiso samalungisa siyavuya; Ke sona isibane sabangendawo siyacima.

10Ngokukhukhumala kuvuka ukulwa kuphela; Ubulumko bunabavuma ukucetyiswa.

11Ubuncwane basebubhedengwini buya kuncipha; Ke yena obutha ngezipha, uyandisa.

12Ukulindela okubanjezelweyo kubulala intliziyo; Úngumthi wobomi umnqweno ofezekileyo.

13Odela ilizwi ubanjwa lilo; Owojika umthetho uyavuzwa.

14Umyalelo wesilumko lithende lobomi, Ukuze kumkiwe ezirhintyelweni zokufa.

15Ingqiqo entle ibanga ubukholwane; Indlela yamanginingini inzima.

16Bonke abanobuqili benza ngokwazi; Isinyabi siya kwaneka ukumatha.

17Umthunywa ongendawo weyela ebubini; Isigidimi esinyanisileyo siyaphilisa.

18Unobuhlwempu nocukucezo ophulukene noqeqesho; Osigcinileyo isohlwayo uyazukiswa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Umnqweno ofeziweyo unencasa emphefumlweni; Kulisikizi kwisinyabi ukumka ebubini.

20Ohamba nezilumko uba sisilumko naye; Ke olikholwane lesidenge uya konakaliswa.

21Aboni basukelwa bububi; Ke wona amalungisa ayavuzwa kokulungileyo.

22Olungileyo ushiya ilifa kubazukulwana bakhe; Ubutyebi bomoni buqwetyelwe ilungisa.

23Umkhubelo wamahlwempu unokudla okuninzi; Kukho ophetshethwa kukungabi nabulungisa.

24Oyiyekileyo intonga yakhe umthiyile unyana wakhe; Ke omthandayo umqeqesha esemncinane.

25Ilungisa lidla ukuba kuhluthe umphefumlo walo; Ke sona isisu sabangendawo siyalamba.

ImiZekeliso 14

1Ubulumko bomfazi buyayakha indlu yakhe; Ukumatha kuyayichitha ngezakhe izandla.

2Uhamba ngokuthe tye owoyika uYehova; Uthi gu bucala ngeendlela zakhe omdelayo.

3Lusemlonyeni wesimathane uswazi lwekratshi; Umlomo wezilumko uyazigcina.

4Apho kungekho nkomo, umkhombe wesitali uba zé; Indyebo eninzi iza ngamandla enkomo.

5Ingqina elinyanisileyo aliwathethi amanga; Ke lifutha amanga ingqina elixokayo.

6Umgxeki ufuna ubulumko, angabuzuzi; Ukwâzi kulula konengqondo.

7Suka ebusweni bendoda esisinyabi; Akuyi kuza wafumana mlomo wokwazi kuyo.

8Ubulumko bonobuqili bukukuyiqonda indlela yakhe; Ukumatha kwezinyabi yinkohliso.

9Idini letyala liyazigxeka izimathane; Phakathi kwabathe tye yimvisiswano.

10Intliziyo iyabazi ubukrakra bayo ngokwayo; Omnye umntu akanakuzingenisa eluvuyweni lwayo.

11Indlu yabangendawo iyatshatyalaliswa; Ke intente yabathe tye iyatyatyamba.

12Kukho indlela ethe tye phambi komntu, Ukanti ukuphela kwayo ziindlela zokufa.

13Nasekuhlekeni intliziyo inomvandedwa; Nokuphela kwalo uvuyo sisingqala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Uhlútha ziindlela zakhe ontliziyo ishenxileyo; Umntu olungileyo uhlútha zizenzo zakhe ngokwakhe.

15Isiyatha sikholwa ngamazwi onke; Onobuqili uyakuqónda ukunyathela kwakhe.

16Isilumko siyoyika, sisuke entweni embi; Isinyabi siphuphuma umsindo, sizithembile.

17Ozekanekayo wenza ukumatha; Indoda yamayelenqe ithiyekile.

18Ilifa leziyatha kukumatha; Abanobuqili banxiba isithsaba sokwazi.

19Abenzi bobubi basibekeka phambi kwabalungileyo; Abangendawo bema emasangweni amalungisa.

20Ihlwempu lithiywa nangummelwane walo; Ke bona abathanda isityebi baninzi.

21Omdelayo ummelwane wakhe uyona; Obabala abaziintsizana, hayi, uyolo lwakhe!

22Àbayi kulahleka yini na abayila ububi? Inceba nenyaniso iba nabayila okulungileyo.

23Ekubulalekeni konke kubakho ungeniselo; Ke ukuthetha komlomo kubanga ukuswela kodwa.

24Busisithsaba sezilumko ubutyebi bazo; Ukumatha kwezinyabi kukumatha.

25Ingqina lenyaniso lihlangula imiphefumlo; Ke elifutha amanga liyinkohliso.

26Ekoyikeni uYehova kukho inkoloseko eliqele, Abantwana bakhe baba nendawo yokuzímela.

27Ukoyika uYehova lithende lobomi, Ukuze kusukwe ezirhintyelweni zokufa.

28Busebuninzini babantu ubungangamela bokumkani; Kusekupheleni koluntu ukutshabalala kwesidwangube.

29Ozeka kade umsindo unengqondo eninzi; Ke yena ozekanekayo ucaphula ukumatha.

30Bubomi benyama intliziyo epholileyo; Ke lona ikhwele yimpehla emathanjeni.

31Ocudisa isisweli ungcikiva uMenzi waso; Olibabalayo ihlwempu uyamzukisa.

32Ongendawo uyangqulwa bububi bakhe; Ke ilungisa linehlathi ekufeni kwalo.

33Entliziyweni yonengqondo buyaphumla ubulumko; Ke embilinini wesinyabi buyazazisa.

34Ubulungisa buyaluphakamisa uhlanga; Isono lihlazo lezizwe.

35Inkolelo yokumkani ikumkhonzi oqiqayo; Ukuphuphuma kwakhe umsindo kukowenza okuziintloni.

ImiZekeliso 15

1Impendulo ethambileyo ibuyisa ubushushu; Ilizwi elidubulayo linyusa umsindo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ulwimi lwezilumko lulungisa ukwazi; Umlomo wezinyabi umpompoza ukumatha.

3Asezindaweni zonke amehlo kaYehova, Ebonisela abanobubi nabalungileyo.

4Ukuphola kolwimi ngumthi wobomi; Ke ukuphenula kwalo kwaphula umoya.

5Isimathane sigiba uqeqesho lukayise; Osigcinileyo isohlwayo uba nobuqili.

6Indlu yelungisa nguvimba omkhulu; Ke ngongeniselo longendawo kukho ukuhlisa ishwangusha.

7Umlomo wezilumko uhlwayela ukwazi: Ke yona intliziyo yezinyabi ayindawo.

8Umbingelelo wabangendawo lisikizi kuYehova; Umthandazo wabathe tye ngowona akholwa nguwo.

9Ilisikizi kuYehova indlela yongendawo; Ke ophuthuma ubulungisa uyathandwa nguye.

10Uqeqesho olubi lolowushiyayo umendo; Othiya isohlwayo uya kufa.

11Elabafileyo nenzonzobila ziphambi koYehova; Zibeké phi na ke iintliziyo zoonyana babantu!

12Umgxeki akakuthandi ukohlwaywa kwakhe, Akayi kwizilumko.

13Intliziyo evuyileyo iyabuchwayithisa ubuso; Ekubulalekeni kwentliziyo umoya uthi dakumba.

14Intliziyo enengqondo ifuna ukwazi; Umlomo wesinyabi usukelana nokumatha.

15Yonke imihla yosizana mibi; Intliziyo echwayithileyo inesidlo ngamaxesha onke.

16Ilungile intwana encinane kunye nokoyika uYehova, Ngaphezu kwendyebo eninzi kunye nokuxhalaba.

17Ulungile umxhesho womfuno kunye nothando, Ngaphezu kwenkomo etyetyisiweyo kunye nentiyo.

18Indoda enobushushu ixhaya ingxabano; Ezeka kade umsindo idambisa imbambano.

19Indlela yevila ngathi ibiyelwe ngemitholo; Ke umendo wabathe tye ubekelelwe.

20Unyana olumkileyo uyamvuyisa uyise; Umntu osisinyabi udela unina.

21Ukumatha luvuyo koswele intliziyo; Ke indoda enengqondo ithi tye ukuhamba.

22Iingcinga ziyatshitsha ngokungabikho kokucweya; Ke zona zima ngamaphakathi amaninzi.

23Indoda inovuyo ngempendulo yomlomo wayo; Ilizwi elithethwe ngexa elililo, azi lihle!

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Koqiqayo umendo wobomi usinga phezulu, Ukuze emke kwelabafileyo elingaphantsi.

25UYehova uyayincothula indlu yabanekratshi, Amise umlimandlela womhlolokazi.

26Zingamasikizi kuYehova iingcinga ezimbi; Ke ahlambulukile amazwi amnandi.

27Uyihlisela ishwangusha indlu yakhe obawela inzuzo embi; Ke yena othiya isicengo, uya kuphila.

28Intliziyo yelungisa iya kucamanga ukuphendula; Ke wona umlomo wabangendawo umpompoza ububi.

29UYehova ukude nabangendawo; Ke wona umthandazo wamalungisa uyawuva.

30Ukukhanya kwamehlo kuvuyisa intliziyo; Iindaba ezimnandi zityebisa amathambo.

31Indlebe esivayo isohlwayo sobomi Ihlala phakathi kwezilumko.

32Ophulukene noqeqesho ucekisa umphefumlo wakhe; Osivayo isohlwayo urhweba ukuqonda.

33Ukoyika uYehova luqeqesho lobulumko; Ngaphambi kozuko lululamo.

ImiZekeliso 16

ImiZekeliso yeentlobo ngeentlobo

1Zezomntu izicwangciso zentliziyo; Ke yona impendulo yolwimi ivela kuYehova.

2Zonke iindlela zendoda ziqaqambile kwawayo amehlo; Ke yena umlinganisi womoya nguYehova.

3Qengqela kuYehova izenzo zakho, Zizimasèke iingcinga zakho.

4Zonke izinto uYehova uzenzele intsingiselo yakhe, Kwanongendawo umenzéle imini yobubi.

5Balisikizi kuYehova bonke abantliziyo izidlayo; Kakade ke, ababi msulwa.

6Ngenceba nenyaniso buyacanyagushelwa ubugwenxa; Ngokoyika uYehova umntu uyatyeka ebubini.

7Ekukholisweni kukaYehova ziindlela zendoda, Uyixolelanisa neentshaba zayo nayo.

8Ilungile intwana encinane enobulungisa, Ngaphezu kolungiselo oluninzi olukunye nokungesesikweni.

9Intliziyo yomntu icinga indlela yakhe; NguYehova oyalela ukunyathelakwakhe.

10Izihlabo zisemilebeni yomlomo wokumkani; Mawungamenezi esikweni umlomo wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Isilinganiso nesikali esisesikweni sesikaYehova; Asisenzo sakhe onke amatye asengxoweni.

12Lisikizi kubo ookumkani ukwenza okungendawo, Kuba itrone izinziswa bubulungisa.

13Ukumkani uyakholiswa ngumlomo wobulungisa; Othetha okuthe tye uyathandwa.

14Ubushushu bokumkani buzizithunywa zokufa; Ke indoda elumkileyo iyamcamagusha.

15Ekukhanyeni kobuso bokumkani bubomi; Okuthandwa nguye kunjengelifu lemvula yasekwindla.

16Ukurhweba ubulumko kungakanani na ukulunga kwako, ngaphezu kwegolide embiweyo! Nokurhweba ingqondo kungakanani na ukunyuleka kwako, ngaphezu kwesilivere!

17Umendo wabathe tye kukutyeka ebubini; Ulondoloza umphefumlo wakhe ogcina indlela yakhe.

18Ikratshi likhokela intshabalalo; Ukuzidla kukhokela ukukhubeka.

19Kulungile ukuba nomoya othobekileyo phakathi kwabalulamileyo, Ngaphezu kokwaba amaxhoba nabanekratshi.

20Oliqiqayo ilizwi uya kufumana okulungileyo; Okholose ngoYehova, hayi, uyolo lwakhe!

21Ontliziyo ilumkileyo kuthiwa unengqondo; Nobumnandi bomlomo bongeza imfundiso.

22Lithende lobomi ingqiqo kumniniyo; Ke lona uqeqesho lwezimathane kukumatha kwazo.

23Intliziyo yesilumko iyawuqiqisa umlomo waso, Yongeze imfundiso emilebeni yomlomo waso.

24Linqatha lobusi amazwi amnandi, Ayincasa emphefumlweni, ayimpiliso emathanjeni.

25Kukho indlela ethe tye phambi komntu, Ukanti ukuphela kwayo ziindlela zokufa.

26Ukulamba komxelengi kuyamxelengela, Ngokuba umlomo wakhe uyamqhuba.

27Umntu olitshijolo umba ububi: Emlonyeni wakhe ngathi ngumlilo otshisayo.

28Indoda ephendukayo ingenisa ingxabano; Nentlebi yahlula amakholwane.

29Indoda egonyamelayo ihenda ummelwane wayo, Imhambise ngendlela engalungileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Ocima amehlo akhe, kukuba acinge impenduka; Oluma umlomo wakhe ugqibe ububi.

31Isithsaba sokuhomba zizimvi, Sifunyanwa endleleni yobulungisa.

32Ozeka kade umsindo ulunge ngaphezu kwegorha; Okulawulayo ukufutha kwakhe ulunge ngaphezu kothimba umzi.

33Umntu uphosa iqashiso esondweni lengubo, Ke ukugqitywa kwalo konke kunoYehova.

ImiZekeliso 17

1Iqhekeza elomileyo lesonka, kunye nokuchulumacha, lilungile Ngaphezu kwendlu ezele yimibingelelo, enembambano.

2Umkhonzi onengqiqo uya kumlawula unyana owenza okuziintloni, Ahlule ilifa phakathi kwabazalwana.

3Ukhamba lolokunyibilikisa isilivere; iziko lelokunyibilikisa igolide; Umcikidi weentliziyo nguYehova.

4Onobubi uwubazela indlebe umlomo onenkohliso, Uphulaphula ubuxoki obuselulwimini olweyeliselayo.

5Ogculela ihlwempu ungcikiva uMenzi walo; Ovuyela inkxwaleko akabi msulwa.

6Isithsaba samadoda amakhulu ngoonyana boonyana; Isihombo soonyana ngooyise.

7Ayisifanele isidenge intetho ekhukhumeleyo; Yobeka phi na ke ukungalifaneli inene intetho ebubuxoki.

8Sililitye elinqabileyo emehlweni omninilo isicengo, Apho asukuba ebheka khona, wenza ngengqiqo.

9Ugubungela isikreqo ofuna uthando; Ophinda ayithethe into wahlula amakholwane.

10Ukukhalinyelwa kuyangena konengqondo Ngaphezu kwemivumbo elikhulu kosisinyabi.

11Oneenkani ufuna ububi bodwa; Ngoko ke uthunyelwa umthunywa osisijorha.

12Kanye qubisana nebhere ehluthwe amathole ayo, Ungaqubisani nesinyabi ekumatheni kwaso.

13Obuyekeza okubi esikhundleni sokulungileyo, Àbuyi kusuka ububi endlwini yakhe.

14Kukuvulela amanzi ukuqala kwengxabano; Yiyeke imbambano kungekavunganyelwana.

15Omgwebelayo ongendawo, kwanoligwebayo ilungisa, Bangamasikizi kuYehova bobabini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Lelokwenzani na inani elisesandleni sesinyabi, lokurhweba ubulumko, Singenantliziyo nje?

17Umhlobo uthanda ngamaxesha onke; Umzalwana uzalelwe imbandezelo.

18Umntu oswele intliziyo ngobambana nomnye ngesandla, Ngomela umelo phambi kowabo.

19Uthanda ukreqo othanda ukulwa; Owuphakamisayo umnyango wakhe ufuna ukuqhekeka.

20Ontliziyo ijibilizayo akayi kukufumana okulungileyo; Ophenduka ngolwimi lwakhe weyela ebubini.

21Ozala isinyabi uzizalela isingqala; Akanaluvuyo uyise wesidenge.

22Intliziyo evuyileyo iyalungisa, ichachise; Umoya odakumbileyo uyawomisa amathambo.

23Ongendawo wamkela isicengo esivela esondweni lengubo, Ukuze agqwethe indlela esesikweni.

24Ubuso bonengqondo bubheke ebulumkweni; Ke amehlo esinyabi asekupheleni kwehlabathi.

25Úbubuhlungu bukayise unyana osisinyabi; Úbubukrakra kumzalikazi wakhe.

26Àkulungile ukuhlawulisa nelungisa, Nokubetha amanene ngenxa yokuthe tye.

27-28Owanqandayo amazwi akhe unokwazi: Omoya upholileyo yindoda enengqondo. Kwanesimathane, ukuba sihleli sathi tu, kuthiwa sisilumko; Singàwuvingca umlomo waso, kuthiwa sinengqondo.

ImiZekeliso 18

1Ozahlulayo ufuna umnqweno wakhe; Into yonke ezimasayo uyayivungamela.

2Isinyabi asikunanzile ukuqonda; Ke sinanzé ukuzityhila kwentliziyo yaso.

3Ekuzeni kongendawo kuza ukudela, Ukungcikiva, nokucukuceza.

4Ngamanzi anzulu amazwi omlomo wendoda, Ngumlanjana obalekayo, lithende lobulumko.

5Ukukhetha ubuso bongendawo akulungile; Nokugqwetha ilungisa ekuthetheni ityala.

6Imilebe yomlomo wesinyabi ingena ekubambaneni, Nomlomo waso ubiza amanqindi.

7Umlomo wesinyabi uyasitshabalalisa, Nemilebe yomlomo waso sisirhintyelo somphefumlo waso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Amazwi entlebi yimithamo emnandi; Yona ihla iye ezingontsini zombilini.

9Nohilizayo eshishinini lakhe Ngumninawa kaSokonakalisa.

10Yinqaba ende eliqele igama likaYehova; Ilungisa ligidimela kulo, libe sengxondeni.

11Ubuncwane besityebi sisixeko saso esiliqele; Bunjengodonga oluphakamileyo emabhongweni aso.

12Phambi kwentshabalalo iyazidla intliziyo yendoda; Phambi kozuko lululamo.

13Ophendula ilizwi engekeva, Kukumatha oko kuye, nehlazo.

14Umoya wendoda uyasinyamezela isifo sayo; Ke umoya odakumbileyo, ngubani na ongawuthwalayo?

15Intliziyo yonengqondo irhweba ukwazi; Nendlebe yezilumko ifuna ukwazi.

16Isipho somntu siyamgabulela, Simse phambi kwabakhulu.

17Únga úlilungisa oqalelayo etyaleni lakhe; Uza ummelwane wakhe, amgocagoce.

18Liphelisa ingxabano iqashiso, Libahlule abanamandla.

19Umzalwana ekukreqiweyo kuye ulukhuni ngaphezu kwesixeko esiliqele, Neengxabano zinjengomvalo woxande olude.

20Ngesiqhamo somlomo wendoda uyahlútha umbilini wayo; Iyahlútha ngongeniselo lomlomo wayo.

21Ukufa nokuphila kusemandleni olwimi; Abaluthandayo baya kudla isiqhamo salo.

22Othe wafumana umfazi, ufumene okulungileyo; Uzuzé okulikholo kuYehova.

23Ihlwempu lithetha ngezibongozo; Isityebi siphendula ngokulukhuni.

24Indoda enezihlobo iyachithwa; Kukho sithandwa sinamathelayo kunomzalwana.

ImiZekeliso 19

1Lilungile ihlwempu elihamba ngengqibelelo yalo, Ngaphezu komlomo ojibilizayo, esisinyabi yena.

2Kananjalo ukuthi umphefumlo ungabi nakwazi akulungile; Onyawo zingxamileyo uyayiphosa indlela.

3Ukumatha komntu kuphenula indlela yakhe; Ijalele uYehova intliziyo yakhe.

4Ukutyeba kongeza izihlobo ezininzi; Ke osweleyo, nesihlobo sakhe siyahlukana naye.

5Ingqina elixokayo alibi msulwa; Ofutha amanga akasindi.

6Baninzi abacenga amanene; Yonke into isisihlobo kwindoda ephayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Bonke abazalwana behlwempu balithiyile; Zibeka phi na izihlobo ukuya kude kulo!
Lisukela amazwi angento.

8Orhweba ubulumko uthanda umphefumlo wakhe; Ogcina ingqondo uya kufumana
okulungileyo.

9Ingqina elixokayo alibi msulwa; Ofutha amanga uyatshabalala.

10Akusifanele isinyabi ukudla ubuncwane; Kobeka phi na ke ukungamfaneli umkhonzi
ukulawula abathetheli!

11Ingqiqo yomntu imenza azeke kade umsindo; Sisihombo sakhe ukulugqitha ukreqo.

12Kukugquma kwengonyama entsha ukujala kokumkani; Sinjengombethe emfunweni
isisa sakhe.

13Ngumeyeliselo kuyise unyana osisinyabi; Luqhoqhozo oluxikileyo ingxabano
yomfazi.

14Indlu nobutyebi lilifa looyise; Ke yena umfazi onengqondo uvela kuYehova.

15Ubuvila buwisela ebuthongweni obukhulu; Umphefumlo odangeleyo uyalamba.

16Ogciné umthetho ugcine umphefumlo wakhe; Ozidelayo iindlela zakhe uya kufa.

17Uboleka uYehova obabala isisweli; Umbuyekeza ukuphatha kwakhe okuhle.

18Mqeqeshe unyana wakho, xa kusekho ithemba; Kodwa ungangxameli kumbulala.

19Onomsindo omkhulu umelwe kukuhlawula; Kuba xa ùthe wamhlangula, wóba
mandundu.

20Live icebo, ulwamkele uqeqesho, Ukuze ulumke ngexesha elizayo.

21Zininzi iingcinga entliziyweni yomntu; Noko ke licebo likaYehova eliya kuma.

22Umnqweno womntu yinceba yakhe; Ke lilungile ihlwempu ngaphezu kwendoda
enamanga.

23Ukoyika uYehova kusa ebomini; Onako uya kuhlala ehluthi.

24Ivila lisifaké isandla salo esityeni, Alibi sasibuyisela emlonyeni walo.

25Umbethíle umgxeki, siba nobuqili isiyatha; Umohlwayíle onengqondo, wóqonda
azi.

26Ombhuqayo uyise, omgxothayo unina, Ngunyana owenza okuziintloni, ongcikivayo.

27Yeka, nyana wam, ukuthi uve uqeqesho, Kanti uya kusuka ulahlekane nentetho
yokwazi.

28Ingqina elilitshijolo ligxeka isiko; Umlomo wongendawo uginya ubutshinga.

29Izigwebo zilungiselwe abagxeki; Imivumbo ilungiselwe umhlana wesinyabi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

ImiZekeliso 20

1Ingumgxeki iwayini, singumxokozeli isiselo esinxilisayo; Bonke abayotywe yiyo àbalumkile.

2Ngumgqumo onjengowengonyama entsha umothuso wokumkani; Omqumbisayo wona umphefumlo wakhe.

3Kuluzuko endodeni ukuhlalela kude nengxabano; Ke zona izimathane zonke ziyavungama.

4Ebusika ivila alilimi; Liyafuna ngexa lokuvuna, kungabikho nto.

5Ngamanzi anzulu icebo entliziyweni yendoda, Kanti indoda enengqondo iyalirhola.

6Uninzi lwesintu luyayihlangabeza indoda enenceba kulo; Ke yona indoda enyanisileyo, ngubani na ongáyifumanayo?

7Ohamba ngengqibelelo yakhe elilungisa, Hayi, uyolo loonyana bakhe emva kwakhe!

8Ukumkani, ehleli esihlalweni sokugweba, Uchithachitha ububi bonke ngamehlo akhe.

9Ngubani na ongáthi, Ndiyiqaqambisile intliziyo yam, Ndihlambulukile esonweni sam?

10Amatye ngamatye, iiefa ngee-efa, Ngamasikizi kuYehova ezo nto zombini.

11Nenkwenkwe iyazazisisa ngeentlondi zayo, Nokuba kuqaqambile na, nokuba kuthe tye na, ukwenza kwayo.

12Indlebe evayo, neliso elibonayo, UYehova uzenzile ezo zinto zombini.

13Musa ukuthanda ubuthongo, hleze uhlwempuzeke; Vula amehlo akho, uhluthe kukudla.

14Imbi, imbi! utsho othengayo; Emke, andule aqhayise.

15Kukho igolide, neekorale ezininzi; Ke yona impahla enqabileyo ngumlomo onokwazi.

16Thabatha ingubo yakhe omele omnye; Menze isibambiso ngenxa yabasemzini.

17Sinencasa endodeni isonka sobuxoki; Ke emveni koko umlomo wayo uzala luhlalu.

18Iingcinga zizinyaswa yingcebiswano; Yilwa imfazwe unecebo elilungileyo.

19Ohamba ehleba uhlakaza ucweyo; Ungàdibani nepholopholo.

20Otshabhisa uyise nonina, Isibane sakhe sicima ebumnyameni phakathi.

21Ilifa elizuzwe buphuthuphuthu ekuqaleni, Ukuphela kwalo akunantsikelelo.

22Musa ukuthi, Ndiya kubuphindezela ububi; Thembela kuYehova, wókusindisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Ngamasikizi kuYehova amatye ngamatye; Nesikali esikhohlisayo asilungile.

24Kuvela kuYehova ukunyathela kwendoda; Umntu angáthini na ukuyiqonda indlela yakhe?

25Sisirhintyelo emntwini ukufumana athi, Ingcwele, Aze aqale emva kwesibhambathiso, aphicothe.

26Uchithachitha abangendawo ukumkani olumkileyo, Aguqulele phezu kwabo umlenze wenqwelo.

27Sisibane sikaYehova umphefumlo womntu, Siphengulula zonke iingontsi zombilini.

28Inceba nenyaniso ilondoloza ukumkani; Uyixhasa itrone yakhe ngenceba.

29Isihombo samadodana ngamandla awo; Ubuhle bamadoda amakhulu zizimvi.

30Imivumbo etyabulayo iguxa ububi; Izibetho ziguxa iingontsi zombilini.

ImiZekeliso 21

1Yimijelo yamanzi intliziyo yokumkani esandleni sikaYehova; Uyibhekisa apho asukuba ethande khona.

2Zonke iindlela zendoda zithe tye kwawayo amehlo; Umlinganisi weentliziyo nguYehova.

3Ukwenza ubulungisa nokusesikweni Kunyulekile kuYehova ngaphezu kombingelelo.

4Ukuqwayinga kwamehlo, nokugungubala kwentliziyo, Kwanokukhubela kwabangendawo, kusisono.

5Iingcinga zabakhutheleyo zisingisa elungeniselweni lodwa; Konke ukungxama kusingisa entswelweni yodwa.

6-7Ukuzuza ubuncwane ngolwimi oluxokayo Ngumphúnga ophephethekayo wabafuna ukufa. Ukubhuqa kwabangendawo kuyabaqweqwedisa; Ngokuba àbavumi ukwenza okusesikweni.

8Iligosogoso indlela yendoda enetyala; Ke yena ohlambulukileyo, umsebenzi wakhe uthe tye.

9Kulungile ukuhlala elungqamekweni oluphezu kwendlu, Kunokuhlala ndlwini-nye nomfazi onengxabano.

10Umphefumlo wongendawo unqwenela ububi; Amehlo akhe akambabali ummelwane wakhe.

11Ekuhlawulisweni komgxeki siyalumka isiyatha; Ekuqiqisweni kwaso, isilumko samkela ukwazi.

12Ilungisa liyayiqiqa indlu yongendawo. Libaphenulela ebubini abangendawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ovingca iindlebe zakhe ekukhaleni kwesisweli, Naye uya kubiza, angàviwa.

14Isipho entsithelweni sinqanda umsindo, Isicengo esondweni lengubo sinqanda umsindo onamandla.

15Kuluvuyo kwilungisa ukwenza okusesikweni; Kuqhiphula umbilini kubasebenzi bobutshinga.

16Umntu ondwendwayo, emke endleleni yengqiqo, Uya kuhlala esikhungwini sabafileyo.

17Othanda imigcobo uba yindoda esweleyo; Othanda iwayini neoli akabi sisityebi.

18Ongendawo lucamagusho ngenxa yelungisa; Ingininginì lisesikhundleni sabathe tye.

19Kulungile ukuhlala ezweni eliyintlango, Kunokuhlala nomfazi onengxabano neengqumbo.

20Ubuncwane obunqwenelekayo neoli zisekhayeni lesilumko; Ke umntu osisinyabi uyaziginya azigqibe.

21Ophuthuma ubulungisa nenceba Wofumana ubomi nobulungisa nozuko.

22Isilumko siyaqabela emzini wamagorha, Siyiwise inqaba ekukholoswe ngayo.

23Ogciné umlomo wakhe nolwimi lwakhe Ugcina umphefumlo wakhe ezingxingongweni.

24Umkhukhumali oligagadele, ngumgxeki igama lakhe; Ngowenza ngokukhukhumala okuphuphumayo.

25Umnqweno wevila uyalibulala, Kuba izandla zalo azivumi kusebenza.

26Imini yonke linqwena linqwenile, Ke lona ilungisa liyapha lingavimbi.

27Umbingelelo wabangendawo lisikizi; Kobeka phi na ke bakuwuzisa ngenxa yamanyala!

28Ingqina elinamanga liyatshabalala; Ke yona indoda evayo ithetha kuphele.

29Indoda engendawo iyingwanyalala ubuso; Ngothe tye oyiqondayo indlela yakhe.

30Akukho bulumko, akukho ngqondo, Akukho cebo malungana noYehova.

31Ihashe lilungiselwa imini yokulwa, Ke usindiso lona lunoYehova.

ImiZekeliso 22

1Igama elilungileyo linokunyulwa ngaphezu kobutyebi obuninzi; Isimilo esilungileyo silunge ngaphezu kwesilivere negolide.

2Ziyaqubisana izityebi namahlwempu; Umenzi wabo bonke nguYehova.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

3Onobuqili ubona into embi, azifihle; Ke zona iziyatha ziya kugqitha kuyo, zihlawuliswe.

4Umvuzo wolulamo kukoyika uThixo, Bubutyebi, nozuko, nobomi.

5Ngameva nezibatha, endleleni yojibilizayo; Ogcine umphefumlo wakhe makadede kuzo.

6Mfundise umntwana ngendlela efanele umntwana; Naxa athe wamkhulu, akasayi kumka kuyo.

7Isityebi siya kuwalawula amahlwempu; Nobolekayo ngumkhonzi endodeni embolekayo.

8Ohlwayela ubugqwetha, wovuna ubutshinga, Nentonga yokuphuphuma kwakhe umsindo yophela.

9Oliso linobubele nguye osikelelekayo; Kuba kwisonka sakhe upha isisweli.

10Gxotha umgxeki, iphume ingxabano, Kuthi bembe amaphike nokucukuceza.

11Othanda ukuhlambuluka kwentliziyo, Omlomo unobabalo, umhlobo wakhe ngukumkani.

12Amehlo kaYehova alondoloza ukwazi, Aphenule intetho yenginingini.

13Ivila lithi, Kukho ingonyama phandle, Ndoncinithwa ezitratweni.

14Sisihogo esinzulu umlomo wabafazi abangengabo; Obhavunyelwa nguYehova weyela khona.

15Ukumatha kubotshiwe entliziyweni yomntwana; Intonga yokuqeqesha yokumkisa kuye.

16Ocudisa isisweli, ukuba andise okwakhe, Nonika isityebi, uhlelwa yintswelo kuphela.

Amaqhalo ezilumko

17Thoba indlebe yakho, uve amazwi ezilumko, Uyibhekise intliziyo yakho ekwazini kwam.

18Ngokuba kumnandi, xa uthe wawagcina embilinini; Makeme onke ephelele emlonyeni wakho.

19Ukuze ùkholose ngoYehova, Ndikwazisile namhla wena lo.

20Andikubhalelanga na iintetho eziyintloko, Ezineengcebiso nokwazi,

21Ukuze ndikwazise isilinganiselo samazwi enyaniso, Ukuze ubuye kwabakuthumileyo, uze namazwi ayinyaniso?

22Musa ukusihlutha isisweli ngakuba sisisweli, Ungamtyumzi olusizana esangweni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kuba uYehova eya kubambana nababambene nabo, Awonakalise umphefumlo wabonákalisa bona.

24Musa ukuqhelana nomntu onomsindo, Ungahambi nendoda enobushushu,

25Hleze ufunde iindlela zayo, Urhintyelise umphefumlo wakho.

26Musa ukuba phakathi kwababambana nomnye ngesandla, Phakathi kwabamela into ebolekiweyo.

27Ukuba ùthe akwaba nanto yakuhlawula, Yini na ukuba athabathe ukhuko lwakho phantsi kwakho?

28Musa ukuwushenxisa umlimandlela wakudala, Abawenzáyo ooyihlo.

29Ùyayibona indoda eyinkunkqele eshishinini layo? Inokuma phambi kokumkani; Ayinakuma phambi kwabantu abangenagama.

ImiZekeliso 23

1Xa uthe wahlala phantsi, ukuba udle nomlawuli, Qonda uqonde lowo uphambi kwakho;

2Ubeke isitshetshe emqaleni wakho, Ukuba ùngumntu onombilini.

3Musa ukuzinqwenela izidlo zakhe ezinencasa; Kukudla kwenkohliso.

4Musa ukuzidinisa ngokufuna ubutyebi; Yeka okwakho ukuqonda.

5Amehlo akho ùya kuwasukelisa ubutyebi na, bungekho nje? Kuba bona buzenzela amaphiko, Buphaphazela njengexhalanga elisinge ezulwini.

6Musa ukudla ukudla koliso libi, Ungazinqweneli izidlo zakhe ezinencasa;

7Kuba njengoko anjalo ocinga yedwa, únjalo yena; Úthi kuwe, Yidla usele, Ukanti intliziyo yakhe ayinawe;

8Umthamo wakho owudlileyo ùya kuwuhlanza, Ulahlekwe ngamazwi akho amnandi.

9Musa ukuthetha ezindlebeni zesinyabi; Ngokuba siya kuyidela ingqiqo yokukhuluma kwakho.

10Musa ukuwushenxisa umlimandlela wakudala; Ungangeni emasimini eenkedama;

11Kuba umkhululi wazo womelele; Wobambana nawe yena ngobambano lwazo.

12Yinikele intliziyo yakho eluqeqeshweni, Neendlebe zakho entethweni yokwazi.

13Musa ukuluyeka uqeqesho emntwaneni; Ukuba ùthe wambetha ngentonga akayi kufa.

14Wombetha ngentonga, Uhlangule umphefumlo wakhe kwelabafileyo.

15Nyana wam, ukuba ithe yalumka intliziyo yakho. Yovuya intliziyo yam, kwaeyam lo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Zidlamke izintso zam Ekuthetheni komlomo wakho okuthe tye.

17Intliziyo yakho mayingabamoneli aboni; Ke mayizonde ukoyika uYehova imini yonke;

18Inene, kukho ikamva, Nethemba lakho aliyi kunqunyulwa.

19Yiva, wena nyana wam, ulumke, Uyinyathelise intliziyo yakho ithi gca endleleni.

20Musa ukuba phakathi kwamasela-wayini, Naphakathi kwamadla-kudla;

21Kuba isela-wayini nedla-kudla liyahlwempuzeka; Kona ukozela kwambesa amajacu.

22Mphulaphule uyihlo, lowo wakuzalayo, Ungamdeli unyoko akuba mkhulu.

23Thenga inyaniso, ungathengisi ngayo; Nobulumko, noqeqesho, nengqondo.

24Úgcoba kakhulu uyise welungisa; Ozele isilumko uyavuya ngaso.

25Makavuye uyihlo nonyoko, Agcobe umfazi owakuzalayo.

26Ndínike intliziyo yakho, nyana wam, Amehlo akho akholiswe ziindlela zam.

27Kuba sisihogo esinzulu ihenyukazi, Liqula elimxinwa umfazi wolunye uhlanga.

28Úde alale njengesihange, Awandise amanginingini eluntwini.

Ubudenge bokunxila

29Ungokabani na uYeha? Ungokabani na uYoo? Zinabani na iingxabano? Inabani na inkalazo? Anabani na amanxeba angenasizathu? Anabani na amehlo anozizi?

30Anâbo balibala ewayinini, Abangena bayiminyele iwayini ephithikeziweyo.

31Musa ukuyikhangela iwayini, xa izenza ingqombela, Xa ibengezelayo endebeni, Xa ihla kamnandi;

32Ukuphela kwayo iluma njengenyoka, Iluma njengerhamba.

33Amehlo akho aya kubona izinto zasemzini, Intliziyo yakho ithethe impenduka;

34Ube njengolele esazulwini solwandle, Nanjengolele encotsheni yemasti;

35Uthi, Bándibetha, ándeva ntlungu; Bándintlitha, àndaba nanto ndiyaziyo; Ndiya kuvuka nini na? Ndiya kuphinda ke, ndiya kubuya ndiyifune.

ImiZekeliso 24

ImiZekeliso yeentlobo ngeentlobo

1Musa ukubamonela abantu abanobubi; Ungakunqweneli ukuba uhlale nabo.

2Kuba intliziyo yabo icamanga ukubhuqa, Nomlomo wabo uthetha ngokwaphula.

3Indlu yona yakhiwa ngobulumko; Izinziswe ngengqondo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ngokwazi kuzaliswa amaqonga Bubuncwane bonke obunqabileyo nobumnandi.

5Umfo osisilumko unamandla, Nendoda enokwazi ibonakalisa amandla amakhulu;

6Ngokuba, úkhokelwé bubulumko, woba nako ukuzilwa iimfazwe zakho; Nosindiso lusebuninzini bamaphakathi.

7Ubulumko bunqabile kwisimathane; Asiwuvuli umlomo waso ensangweni.

8Ocinga ngokwenza ububi, Lowo báthi ukumbiza nguMayelenqe.

9Iyelenqe lesimathane sisono; Ulisikizi ebantwini umgxeki.

10Ùthe waphelelwa ngemini yembandezelo, Oba ebandezelwe amandla akho.

11Hlangula abasiwa ekufeni; Nabajingxela baye ekubulaweni, khawubanqande.

12Nokuba ùthi, Yabona besingakwazi oko: Umlinganiseli weentliziyo yena akakuqondi na? Umgcini womphefumlo akakwazi na? Akayi kumbuyisela umntu ngokomsebenzi wakhe, yini na?

13Yidla ubusi, nyana wam, kuba bulungile; Nencindi imnandi ekhuhlangubeni lakho.

14Bázi ke ubulumko emphefumlweni wakho; Ukuba uthe wabufumana, kobakho ikamva, Lingànqunyulwa ithemba lakho.

15Wena ungendawo, musa ukulilalela ikhaya lelungisa, Ungasibhuqi isikhundla salo;

16Kuba ilungisa liwa kasixhenxe, livuke; Ke abangendawo bakhubeka phantsi kwenkxwaleko.

17Musa ukuvuya ekuweni kotshaba lwakho, Ingagcobi intliziyo yakho ekukhubekeni kwalo;

18Hleze akubone uYehova, kube kubi emehlweni akhe, Awubuyise umsindo wakhe kulo.

19Musa ukuvutha ngumsindo ngabenzi bobubi, Ungabamoneli abangendawo;

20Kuba umenzi wobubi akayi kuba naka-mva; Isibane sabangendawo siya kucinywa.

21Nyana wam, moyike uYehova nokumkani, Ungazibandakanyi nabanokumbi;

22Kuba kofika ngesiquphe ukusindeka kwabo; Ilishwa leminyaka yabo, ngubani na olaziyo?

Amanye amaqhalo ezilumko

23Nala mazwi ngawezilumko: Ukukhetha ubuso ekugwebeni akulungile.

24Othi kongendawo, Ùlilungisa wena, Ziya kumqalekisa izizwe; ziya kumbhavumela iintlanga.

25Kuya kuba mnandi kwabamohlwayayo; Kubo koza intsikelelo enokulungileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Wanga imilebe yomlomo Ophendula ngamazwi athe gca.

27Lílungise ishishini lakho phandle, Uzisebenzele entsimini yakho; Emveni koko wakhe indlu yakho.

28Musa ukuba lingqina ngommelwane wakho ngaphandle kwesizathu; Ùngásuka uthomalalise na nangomlomo wakho?

29Musa ukuthi, Njengoko enzé ngako kum, ndiya kwenjenjalo nam kuye, Ndiya kubuyisela indoda ngokomsebenzi wayo.

30Ndagqitha entsimini yendoda elivila, Nasesidiliyeni somntu oswele ingqondo,

31Ndafika simile imithuma sonke siphela; Ngaphezulu senile ngamarhawu, Nodonga lwaso lwamatye ludilikile.

32Ndakhangela, ndasigqala ngentliziyo, Ndabona, ndamkela uqeqesho.

33Ithi, Intwana yobuthongo, intwana yokozela, Intwana yokukhwabusha izandla ukuba ndilale:

34Boza ubuhlwempu bakho njengomphangi; Nokuswela kwakho njengendoda enengweletshetshe.

ImiZekeliso 25

Olunye uthotho lwemizekeliso

1Nale yimizekeliso kaSolomon, awayihlanganisayo amadoda kaHezekiya, ukumkani wakwaYuda.

2Luzuko lukaThixo ukuyisithelisa into; Luzuko lokumkani ukuyigocagoca.

3Izulu ngokuphakama, umhlaba ngobunzulu, Nentliziyo yokumkani asinto inokugocwagocwa.

4Longule igwebu esilivereni, Kuvele isitya somnyibilikisi;

5Shenxisa abangendawo ebusweni bokumkani, Yozinza itrone yakhe ngobulungisa.

6Musa ukudokozelisa ilizwi phambi kokumkani, Ungazimisi endaweni yabakhulu.

7Kuba kulungile ukuba kuthiwe kuwe, Nyukela apha, Kunokuba uthotywe phambi kwenene, Alibonileyo amehlo akho.

8Musa ukuphuma ungxamile, ukuya ekubambaneni nomnye, Hleze kuthiwe, Wòthini na emveni koko? Xa kaloku akuhlazileyo ummelwane wakho.

9Ubambené nommelwane wakho, bambana naye; Ke ucweyo lomnye musa ukuluhlakaza,

10Hleze akuhlaze oluvayo, Lungabi sabuya lusuke udaba lwakho olubi.

11Ziilamuni zegolide kwizitya zesilivere ezimakhazikhazi Ilizwi elithethwe latyapha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Úlijikazi legolide, nezidanga zegolide ezicikizekileyo Umohlwayi olumkileyo ezindlebeni ezinokuva.

13Sínjengokuphozisa kwekhephu ngemini yokuvuna Isigidimi esinyanisileyo kwabasithumileyo: Siyawubuyisa umphefumlo wenkosi yaso.

14Úngamafu anomoya, angenamvula, Umntu oqhayisa ngesipho esikhohlisayo.

15Umlawuli uyarhwebesheka ngokuzeka kade umsindo; Ulwimi oluthambileyo lwaphula ithambo.

16Ufumené ubusi, yidla obukulingeneyo, Hleze udikwe, ubuhlanze.

17Malungayi futhi unyawo lwakho endlwini yommelwane wakho, Hleze adikwe nguwe, akuthiye.

18Sisando, likrele, lutolo olutsolileyo, Indoda engqina ubungqina obubuxoki ngommelwane wayo.

19Lizinyo eliqhuzukileyo, lunyawo olukrunekileyo, Ukukholosa ngengingini ngemini yembandezelo.

20Olahla ingubo yokwaleka ngemini yengqele, nqwa kwaneviniga egalelwe kwisoda, Kwanovuma iingoma kontliziyo imbi.

21Ukuba okuthiyileyo úthe walamba, mphe ukudla adle; Ukuba úthe wanxanwa, mseze amanzi;

22Kuba ùfumba wena amalahle avuthayo entlokweni yakhe; UYehova wokuvuza.

23Umoya ovela ngasentla uvelisa isiphango; Ulwimi oluhlebayo luvelisa ubuso obujalileyo.

24Kulungile ukuhlala elungqamekweni oluphezu kwendlu, Kunokuhlala ndlwini-nye nomfazi onengxabano.

25Ngamanzi abandayo emphefumlweni otyhafileyo Iindaba ezilungileyo, ezivela ezweni elikude.

26Liqula eligxojiweyo, ngumthombo owonakeleyo, Ilungisa elikhwelelayo phambi kongendawo.

27Ukudla ubusi obuninzi akulungile; Ke ukugocagoca izinto ezinzima luzuko.

28Ngumzi otyhoboziweyo, ongenaludonga, Indoda engenakuzibamba umoya wayo.

ImiZekeliso 26

Malunga nezinyabi

1Njengekhephu ehlotyeni, njengemvula ngexa lokuvuna, Lunjalo ukungasifaneli isinyabi uzuko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Njengondlunkulu ekuphapha-phaphazeleni kwakhe, njengenkonjane ekubalekeni kwayo, Kunjalo ukutshabhisa ngaphandle kwesizathu; akuyi kuphumelela ntweni.

3Iziniya yeyehashe, umkhala ngowe-esile, Intonga yeyomhlana wesinyabi.

4Musa ukusiphendula isinyabi ngokokumatha kwaso, Hleze usifuze.

5Siphendule isinyabi ngokokumatha kwaso, Hleze sibe sisilumko kwawaso amehlo.

6Únqumla iinyawo, usela ugonyamelo, Osithuma imicimbi yakhe isinyabi.

7Nqwa nokulengalenga kwemilenze yesiqhwala, Umzekeliso emlonyeni wesinyabi.

8Njengokubopha ilitye esisawulweni, Unjalo osinika uzuko isinyabi.

9Ngameva angene esandleni senxila Umzekeliso ongene emlonyeni wesinyabi.

10Okuninzi kuzala into yonke; Ke wona umvuzo wesinyabi, kwanomvuzi waso, bayadlula.

11Njengenja ibuyela emhlanzweni wayo, Sinjalo isinyabi ukuphinda ukumatha kwaso.

12Ùyayibona indoda ilumkile kwawayo amehlo, Kukho ithemba ngesinyabi kunayo.

Malunga namavila

13Ivila lithi, Kukho ingonyama endleleni, Kukho ingonyama ezitratweni.

14Ucango lujinga ezihinjizini zalo, Linjalo ivila elukhukweni lwalo.

15Ivila lifaka isandla salo esityeni, Yindiniso ukusibuyisela kwasemlonyeni walo.

16Ivila lilumkile kwawalo amehlo Kunabasixhenxe abaphendula ngemvo.

ImiZekeliso eliqela

17Úbamba ngendlebe inja igqitha, Ophuphuma umsindo ngembambano angephambi kwayo.

18Njengedwadwasi elijula izikhuni Neentolo zokufa,

19Injalo indoda ekhohlisa ummelwane wayo, Ibe isithi, Andidlali na?

20Zakuphela iinkuni, uyacima umlilo; Kwakuba kungekho ntlebi, iyadamba ingxabano.

21Nqwa namalahle amnyama kumalahle avuthayo, Nqwa neenkuni kumlilo, indoda enengxabano ukuphemba imbambano.

22Amazwi entlebi anjengemithamo imnandi; Yona ihla iye ezingontsini zombilini.

23Ligwebu lesilivere, lalekwé empahleni yodongwe, Umlomo ovuthayo unentliziyo enobubi.

24Ngemilebe yomlomo wakhe úyanyhwalaza umthiyi; Embilinini yakhe umisa inkohliso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Xa athe walimnandisa ilizwi lakhe, musa ukukholwa nguye; Kuba ngamasikizi asixhenxe entliziyweni yakhe.

26Intiyo izifihla ngenkohliso; Ububi bayo bozityhila esikhungwini.

27Omba isihogo weyela kuso; Oqengqa ilitye, libuyela kuye.

28Ulwimi oluxokayo luyabathiya abatyunyuzwa lulo; Nomlomo ocengacengayo usebenza ububi.

ImiZekeliso 27

1Musa ukuqhayisa ngemini yangomso; Kuba akukwazi okuya kuzalwa yimini.

2Mawudunyiswe ngomnye, ingabi ngowakho umlomo; Mayibe nguwumbi, ingabi yeyakho imilebe yomlomo.

3Linzima ilitye, ingumthwalo intlabathi; Ke yona ingqumbo yesimathane inzima kunezo nto zombini.

4Ubujorha bunobushushu, umsindo sisiphango; Nekhwele, ngubani na onokuma phambi kwalo?

5Kulungile ukohlwaywa ekuhléni Ngaphezu kothando olusitheleyo.

6Akholekile amanxeba omhlobo; Kodwa yingxungxu ukwanga kotshaba.

7Umphefumlo ohluthiyo ugqusha incindi yobusi; Umphefumlo olambileyo, yonke into ekrakra imnandi kuwo.

8Njengentaka ephekuziweyo endlwini yayo, Injalo indoda ephekuziweyo ekhayeni layo.

9Ioli nesiqhumiso sivuyisa intliziyo, Kwanobumnandi bomhlobo obuphuma ekucebiseni komphefumlo.

10Musa ukumlahla umhlobo wakho nomhlobo kayihlo; Ungangeni endlwini yomzalwana wakho ngemini yokusindeka kwakho; Úlungile ummelwane okufuphi, kunomzalwana okude.

11Yiba nobulumko, nyana wam, uyivuyise intlizyo yam; Ukuze ndimphendule ngezwi ondingcikivayo.

12Onobuqili uyabubona ububi, azímele; Ke zona iziyatha zigqitha kubo, zohlwaywe.

13Thabatha ingubo yakhe omele omnye; Ménze isibambiso ngenxa yezinto zasemzini.

14Osikelela ummelwane wakhe ngezwi elikhulu, evuka kwakusasa, Kubalelwa ekuthini uyamtshabhisa.

15Uqhoqhozo oluxikileyo mini ngemvula, Nomfazi onengxabano, kuyafana;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Omnqandayo, unqanda umoya; Isandla sakhe sokunene sihlangabezene neoli.

17Isinyithi silola isinyithi, Indoda ilola ubuso bowayo.

18Olondoloza umkhiwane wodla isiqhamo sawo; Ogcine inkosi yakhe wozukiswa.

19Emanzini, ubuso buyelelene nobuso; Injalo intliziyo yomntu kumntu.

20Elabafileyo nenzonzobila azinakuhlútha, Namehlo omntu akanakuhlútha.

21Ukhamba lolokunyibilikisa isilivere, iziko lelokunyibilikisa igolide, Nendoda iya ngokokudunyiswa kwayo.

22Nokuba uthe wasingqusha isimathane esingqushweni phakathi komngqusho ngentonga yokungqusha, Akuyi kusuka kuso ukumatha kwaso.

23Khuthalela ukubazi ubume bempahla yakho emfutshane, Yibhekise intliziyo yakho emihlambini yakho.

24Ngokuba ayingonaphakade ingqwebo; Nesithsaba sesezizukulwana ngezizukulwana, yini na?

25Sithe tshabalala nje isikhotha, kuvela uhlaza, Ihlanganisiwe imifuno yeentaba:

26Amatakane ngawokukwambesa, Ixabiso lentsimi ziinkunzi zeebhokhwe;

27Amasi eebhokhwe alingene ukudla kwakho, nokudla kwendlu yakho, Nokuphila komthinjana wakho.

ImiZekeliso 28

Uhlohlo lwezinto

1Basaba bengasukelwa nto abangendawo; Ke wona amalungisa akholosa njengengonyama.

2Ngokreqo lwelizwe baba baninzi abathetheli balo; Ngomntu onengqondo, onokwazi, ukuzinza kwalo kuyoluka.

3Umfo oyintloko ekucudiseni izisweli Yimvula etshayelayo, ingasalisi kudla.

4Abashiya umyalelo badumisa abangendawo; Ke abawugcinayo umyalelo bayazixhokonxa ngabo.

5Abantu abanobubi abakuqondi okusesikweni; Ke bona abamquqelayo uYehova baqonda izinto zonke.

6Lilungile ihlwempu elihamba ngengqibelelo yalo, Ngaphezu komjibilizi ondlela mbini, nakuba esisityebi.

7Obamba umyalelo ngunyana onengqondo; Ke olikholwane labachithi uhlaza uyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Owongeza ubuncwane bakhe ngokudla abanye, nangolwandiso, Ubuthela obabala izisweli.

9Osusa indlebe yakhe ekusiphulaphuleni isiyalo, Kwanomthandazo wakhe ulisikizi.

10Obalahlekisayo abathe tye ngendlela enobubi, Kuya kweyela yena esihogweni sakhe, Bona abagqibeleleyo bakudle ilifa okulungileyo.

11Ilumkile indoda esisityebi kwawayo amehlo; Ke isisweli esinengqondo siyayigocagoca.

12Ekudlamkeni kwamalungisa kwanda uzuko; Ekuphakameni kwabangendawo, àbaveli nokuvela abantu.

13Osigubungelayo isono sakhe akayi kuba nampumelelo; Ke yena osivumayo, asishiye, uya kufumana inceba.

14Hayi, uyolo lomntu ohlala enkwantya; Ke yena ontliziyo ilukhuni uya kweyela ebubini.

15Uyingonyama egqumayo, uyibhere ebhaduliswa kukulamba, Umlawuli ongendawo kubantu abaziziswelі.

16Hayi, ingànga iswele ukuqonda, enokucudisa okuninzi! Othiye inzuzo embi wolula imihla yakhe.

17Umntu onovalo ngegazi lomphefumlo Usabela nasemhadini; makangabanjezelwa.

18Ohamba ngengqibelelo uya kusindiswa, Ke umjibilizi ondlela mbini weyela okukanye.

19Owusebenzayo umhlaba wakhe uya kuhlútha sisonka; Osukela izinto ezingento uya kuhlútha bubuhlwempu.

20Indoda enyanisekileyo ineentsikelelo ezininzi; Ke yena ongxamayo ukuba sisityebi, akabi msulwa.

21Ukukhetha ubuso akulungile; Ngenxa yeqhekeza lesonka umntu angáde aphosise.

22Indoda eliso libi ikhawulezela ukutyeba; Ayazi ukuba ukuswela kuya kuyifikela.

23Omohlwayayo umntu wothi kamva afumane ubabalo, Ngaphezu kocengacengayo ngolwimi.

24Ophanga uyise nonina, athi, Asilukreqo, Ulidlelane lendoda engumonakalisi.

25Omphefumlo ubawayo uxhaya ingxabano; Ke yena okholose ngoYehova uyatyetyiswa.

26Okholose ngeyakhe intliziyo usisidenge; Ke yena ohamba ngobulumko uya kusinda.

27Opha ihlwempu akasweli; Ke yena ofihla amehlo akhe uneengqalekiso ezininzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Ekuphakameni kwabangendawo bayasithela abantu; Ekutshabalaleni kwabo ayanda amalungisa.

ImiZekeliso 29

1Indoda eyohlwaywa futhi, íyenze lukhuni intamo yayo, Iya kuchithakala ngephanyazo, kungabikho kuncedwa.

2Ekwandeni kwamalungisa bayavuya abantu; Ekulawuleni kongendawo bayagcuma abantu.

3Indoda ethanda ubulumko ivuyisa uyise; Olikholwane lamahenyukazi uchitha impahla yakhe.

4Ukumkani ulimisa ilizwe ngesiko; Ke yona indoda erhunywayo iyalibhukuqa.

5Umfo ocengacenga ummelwane wakhe Uthiyela iinyawo zakhe ngomnatha.

6Elukreqweni lwendoda enobubi kubakho isirhintyelo; Ke lona ilungisa limemelela livuye.

7Ilungisa liyalazi ibango lesisweli; Ke yena ongendawo akanangqondo yakulazi.

8Amadoda agxekayo aphembelela isixeko; Ke zona izilumko ziyawudambisa umsindo.

9Yakumangalelana indoda elumkileyo nesimathane, Soguguma sihleke, kungabikho kuthozama.

10Amadoda amagazi ayabathiya abagqibeleleyo; Nabathe tye, afuna umphefumlo wabo,

11Isinyabi siya kukhupha konke ukufutha kwaso, Ke sona isilumko sikudambisela embilinini yaso.

12Umlawuli olibazela indlebe ilizwi lobuxoki, Bonke abalungiseleli bakhe bangabangendawo.

13Ihlwempu nendoda engumxinezeli bayaqubisana; Umkhanyiseli wamehlo abo bobabini nguYehova.

14Ukumkani ogweba ityala lezisweli ngenyaniso, Itrone yakhe iya kuzinza ngonaphakade.

15Intonga nesohlwayo sinika ubulumko; Ke yena umntwana oyekelelweyo udanisa unina.

16Ekwandeni kwabangendawo luyanda ukreqo; Ke wona amalungisa aya kukubona ukuwa kwabo.

17Mqeqeshe unyana wakho, wókuphefumlisa, Awuyolise umphefumlo wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Apho kungekho mbono baba yimiqhathu abantu; Bakuwugcina umyalelo, hayi, uyolo lwabo!

19Isicaka asiqeqeshwa ngamazwi; Kuba siyaqonda, singakhathali.

20Ùyayibona indoda engxamileyo ngamazwi ayo? Kukho ithemba ngesinyabi kunayo.

21Osifekethisayo kwasebuncinaneni isicaka sakhe Uya kwenelwa lukhula ekupheleni.

22Indoda enomsindo ixhaya ingxabano; Umntu onobushushu uzele lukreqo.

23Ikratshi lomntu liya kumthoba; Ke yena omoya uthobekileyo ufumana uzuko.

24Owahlulelana nesela uthiya umphefumlo wakhe; Uyasiva isishwabulo, angaxeli.

25Ukugubha ngumntu kunesirhintyelo; Ke yena okholose ngoYehova uya kuphakanyiselwa phezulu.

26Baninzi abafuna ubuso bomlawuli; Ke lona ibango lendoda livela kuYehova.

27Indoda enobugqwetha lisikizi kumalungisa; Ondlela ithe tye lisikizi kongendawo.

ImiZekeliso 30

Amanqaku aliqela angobomi

1Amazwi ka-Agure unyana kaYakhe, waseMasa. Itsho indoda leyo, ithi, Ndizidinisile, ndizidinisile ndaphela,

2Kuba ndisisityhakala, andimntu; Ingqondo yomntu ayikho kum.

3Andifundanga bulumko, Ukuba ndazi ukwaziwa koyiNgcwele.

4Ngubani na owenyuka waya emazulwini, waza wehla? Ngubani na ofumbethe umoya ngezandla zakhe? Ngubani na obophe amanzi engutyeni? Ngubani na omise zonke iziphelo zehlabathi? Lingubani na igama lakhe, lingubani na igama lonyana wakhe, ukuba ùyalazi?

5Yonke intetho kaThixo inyibilikisiwe. Uyingweletshetshe kwabazimela ngaye.

6Musa ukongeza emazwini akhe, Hleze akohlwaye, ube ngothetha amanga.

7Ndicelé kuwe izinto ezimbini; Musa ukundivimba zona ndingekafi:

8Khwelelisa kum inkohlakalo nelizwi lamanga; Musa ukundinika ubuhlwempu nobutyebi; Ndihlafunise isonka endisimiselweyo;

9Hleze ndihluthe, ndikhanyele, ndithi, Ngubani na uYehova? Hleze ndihlwempuzeke, ndibe, Ndilicukuceze igama likaThixo wam.

10Musa ukusihleba isicaka enkosini yaso, Hleze sikutshabhise, uthwale ityala.

11Kukho isizukulwana esitshabhisa uyise, Singamsikeleli unina;

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Kukho isizukulwana esihlambulukileyo kwawaso amehlo, Esingahlanjwanga ekungcoleni kwaso;

13Kukho isizukulwana, hayi, ukuqwayinga kwamehlo aso, Ukuziphakamisa kweenkophe zaso!

14Kukho isizukulwana esimazinyo angamakrele, simabamba azizitshetshe Zokudla iintsizana ehlabathini, namahlwempu phakathi kwesintu.

15Isimungunyi-gazi sineentombi ezimbini, ezithi, Ethe, ethe! Zintathu izinto ezingenakuhlútha; Ziné ezingàtshoyo ukuthi, Kwanele:

16Lelabafileyo; kukungazali; Ngumhlaba ongàhluthiyo ngamanzi; Ngumlilo ongàtshoyo ukuthi, Kwanele.

17Iliso eligculela uyise, Lidele ukumlulamela unina, Aya kulikrukra amahlungulu asemlanjeni, Alidle amathole exhalanga.

18Izinto zintathu ezibalulekileyo kum; Hayi, ziné endingenakuzazi:

19Yindlela yexhalanga esibhakabhakeni, Yindlela yenyoka etyeni, Yindlela yenqanawa esazulwini solwandle, Yindlela yomfo nentombi.

20Injalo indlela yomfazi okrexezayo: Uyadla, asule umlomo, Athi, Andenzanga bubi.

21Ngaphantsi kwezinto ezintathu umhlaba uyanyikima, Ngaphantsi kweziné ukhohliwe kukuthwala:

22Ngaphantsi kwesicaka, xa sithe sangukumkani; Nesidenge, xa sithe sahlútha sisonka;

23Ngaphantsi kwesigele sentombi, xa sithe senda; Nesicakakazi xa sithe sadla ilifa lenkosikazi yaso.

24Izinto ziné ezincinane emhlabeni, Kanti zilumke kakhulu:

25Iimbovane ngabantu abangenamandla Kanti zilungisa ukudla kwazo ehlotyeni;

26Iimbila ngabantu abangòmeleleyo, Kanti zimisa izindlu zazo emaweni;

27Iinkumbi azinakumkani, Kanti ziphuma zingamaqela ngamaqela zonke;

28Icilitshe ùnako ukulibamba ngezandla, Kanti lisemabhotweni ookumkani.

29Izinto zintathu ezihamba ngokunyalasa, Hayi, ziné ezilungisayo ukuhamba:

30Yingonyama, igorha phakathi kwezinto ezizitho ziné, Elingabuyi umva phambi kweento zonke;

31Yinja elingesi; nokuba yinkunzi yebhokhwe; Ngukumkani enomkhosi wakhe.

32Ukuba ùthe wenza ngobudenge ngokuziphakamisa, Nokuba uthe wankqangiyela, Beka isandla emlonyeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Kuba ukucofa ubisi kuvelisa amasi, Ukucofa impumlo kuvelisa igazi, Ukucofa umsindo kuvelisa imbambano.

ImiZekeliso 31

Icebiso kukumkani

1Amazwi kaLemuweli, ukumkani waseMasa, awamqeqesha ngawo unina.

2Yini, nyana wam? yini, nyana wesizalo sam? Yini, nyana wezibhambathiso zam?

3Amandla akho musa ukuwanika amankazana, Iindlela zakho uzinike abo batshabalalisa ookumkani.

4Asiyindawo yokumkani, Lemuweli, asiyindawo yokumkani ukusela iwayini; Asiyindawo yezidwangube ukuthi, Síphi na isiselo esinxilisayo?

5Hleze basele bakulibale okumiselweyo, Balijike ityala loonyana bonke beentsizi.

6Isiselo esinxilisayo sinikeni abatshabalalayo, Newayini yinikeni abamphefumlo ukrakra.

7Mabasele abo, babulibale ubuhlwempu babo, Bangabi sabukhumbula ububi babo.

8Wuvule umlomo wakho ngenxa yosisidenge, Ngenxa yetyala labo bonke abadlulayo.

9Vula umlomo wakho, gweba ngobulungisa, Ugwebe ityala lolusizana nolihlwempu.

Umfazi onesidima

10Umfazi onesidima ngubani na ongamfumanayo? Lingaphezulu nakwikorale ixabiso lakhe.

11Ikholose ngaye intliziyo yendoda yakhe, Ayisayi kuswela nto.

12Uyiphatha kakuhle, kungabi kakubi, Yonke imihla yobomi bakhe.

13Ufuna uboya begusha neflakisi, Asebenze ethumekelele ngezandla zakhe.

14Unjengeenqanawa zabarhwebi, Ukuya kuthabatha kude ukudla kwakhe.

15Uvuka kwasebusuku, Ayinike into edliwayo indlu yakhe, Awunike umsebenzi wawo umthinjana wakhe.

16Unkqangiyela intsimi ayizuze; Ngeziqhamo zezandla zakhe utyala isidiliya.

17Ubhinqa amandla emanqeni akhe, Ayomeleze imikhono yakhe.

18Uyakuva ukuba kulungile ukurhweba kwakhe; Isibane sakhe asicimi ebusuku.

19Uzibeka izandla zakhe entongeni yokuluka, Neminwe yakhe ibamba isikhanda sento yokuluka.

20Isandla sakhe usitwabululela olusizana, Azolulele izandla zakhe kumahlwempu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Indlu yakhe akayoyikeli, mhlana ngekhephu, Kuba yonke indlu yakhe yambethe ezisithileyo.

22Uzenzela imiqamelo; Yilinen ecikizekileyo kwanemfusa isambatho sakhe.

23Iyaziwa indoda yakhe emasangweni, Ekubutheni kwayo namadoda amakhulu elizwe.

24Wenza iingubo zelinen entle, Athengise ngazo, athengise ngemibhinqo kumaKanan.

25Ngamandla nobungangamela isambatho sakhe; Usuka ahleke ngemini ezayo.

26Umlomo wakhe uwuvula ngobulumko; Umyalelo onenceba uselulwimini lwakhe.

27Uyayondela ihambo yendlu yakhe, Angasidli isonka sobuvila.

28Bayasuka oonyana bakhe, bathi unoyolo; Iyasuka indoda yakhe imdumise;

29Ithi, Zininzi iintombi ezenza ngokunesidima; Ke wena uzidlule zonke ziphela.

30Bubuxoki ubuhle, ngamampunge ubunzwakazi; Ngumfazi owoyika uYehova yedwa oya kudunyiswa.

31Mnikeni kwiziqhamo zezandla zakhe, Zimdumise emasangweni izenzo zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

InTshumayeli

InTshumayeli 1

Yonke into ingamampunge

1 Amazwi eNtshumayeli, unyana kaDavide, ukumkani waseYerusalem.

2 Amampunge awo amampunge, itsho iNtshumayeli; amampunge awo amampunge,
yonke into ingamampunge.

3 Únalungelo lini umntu emigudwini yakhe yonke, ayenzayo phantsi kwelanga?

4 Kumka esinye isizukulwana, kulandele esinye isizukulwana; ke lona ihlabathi limi
ngonaphakade.

5 Ilanga liyaphuma, ilanga libuya litshone, liphikele endaweni yalo apho liphuma
khona.

6 Umoya uya ezantsi, ujikeleze usinge entla, uhamba ujikajikeleza, ubuye ubuya
umoya ekujikelezeni kwawo.

7 Yonke imilambo iya elwandle, ukanti ulwandle aluzali; endaweni eya kuyo imilambo,
ibuya iye kwakhona.

8 Zonke izinto ziyazixhamla; umntu akanako ukuzithetha; alihlúthi iliso kukubona,
ayizali indlebe kukuva.

9 Into eyayikho yeya kubuya ibekho; into eyenzekáyo yeya kubuya yenzeke yona.
Akukho nto intsha phantsi kwelanga.

10 Ukuba kukho into ekuthiwa, Yabona, le intsha! ibiselikho kade, emaphakadeni
abekho ngaphambi kwethu.

11 Akukho kukhumbula abokuqala; nabasemva abaya kubakho, abayi kukhunjulwa
ngabaya kuza emva kwabo.

12 Mna, Ntshumayeli, ndibe ndingukumkani kwaSirayeli eYerusalem.

13 Intliziyo yam ndayinikela ukuba ingxoke, isingasinge ngobulumko, yonke into
eyenzekayo phantsi kwezulu; ngumzamo ombi uThixo awuniké oonyana babantu,
ukuba bawuzame.

14 Ndazikhangela zonke izenzo ezenzékayo phantsi kwelanga; yabona, zonke
zingamampunge nokusukelana nomoya.

15 Into egoso ayinakolulwa; into engekhoyo ayinakubalwa.

16 Ndathetha mna nentliziyo yam, ndisithi, Yabona, mna ndikhulisé ndandisa
ubulumko, ngaphezu kwabo bonke ababephethe iYerusalem phambi kwam;
nentliziyo yam iboné kakhulu ubulumko nokwazi.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

17Intliziyo yam ndayinikela ekwazini ubulumko, nasekwazini ubugeza nobuyatha; kwanaloo nto ndayiqonda ukuba kukusukelana nomoya.

18Ngokuba ebuninzini bobulumko kukho ukuhlelwa sisiyengelezane esininzi; owongeza ukwazi, wongeza umvandedwa.

InTshumayeli 2

Iziyolo ngokufanayo nentsebenzo azinanzuzo

1Ndathi mna entliziyweni yam, Khawuze khe ndikulinge ngovuyo, ubone okulungileyo. Yabona, kwanaloo nto ingamampunge.

2Ndathi kohlekayo, Ùyageza; nakovuyayo, Wénza ntoni na lo?

3Ndasingasinga entliziyweni yam ukuba nditsale inyama yam ngewayini, ekubeni intliziyo yam iziqhuba ngobulumko; ukuba ndazane nobuyatha, ndide ndibone ukuba yiyiphi na into ebalungeleyo oonyana babantu, ukuze bayenze phantsi kwezulu, ngemihla embalwa yobomi babo.

4Ndazenzela imisebenzi emikhulu, ndazakhela izindlu: ndazityalela izidiliya,

5ndazenzela amasimi nemiyezo, ndatyala kuyo imithi eneziqhamo zonke;

6ndazenzela amachibi amanzi okunyela ihlathi elihluma imithi;

7ndathenga amakhoboka namakhobokazana, ndaba nawo nazalelwe endlwini yam. Kananjalo imfuyo yeenkomo neyempahla emfutshane yaba ninzi kum, ngaphezu kwabo bonke ababengaphambi kwam eYerusalem.

8Ndaziqwebela nesilivere, negolide, nezinto eziziinqobo zookumkani ngookumkani, nezamazwe ngamazwe; ndazenzela iimvumi neemvumikazi, neziyolo zoonyana babantu, inkosikazi namakhosikazi.

9Ndaba mkhulu ke, ndanda ngaphezu kwabo bonke ababeseYerusalem ngaphambi kwam; bathi nobulumko bam bandinceda.

10Andiwabandezanga into yonke ayibizayo amehlo am; andiyivimbanga intliziyo yam namnye umvuyo; ngokuba intliziyo yam yayivuya emigudwini yam yonke, saba sesi ke isabelo sam emigudwini yam yonke.

11Ndabheka mna ezenzweni zam zonke, ezazenzáyo izandla zam, nasemigudwini yam endaphuka yiyo ukuyenza; ndayibona ukuba yonke loo nto ingamampunge nokusukelana nomoya; akukho lungelo phantsi kwelanga.

12Ndazijika mna, ndakhangela ubulumko, nobugeza, nobuyatha; ngokuba ngumntu oyini na, lowo uya kuza emva kokumkani? lo ubeselenziwe kade?

13Ndabona ukuba ubulumko buyabugqitha ubuyatha, njengokuba ukukhanya kubugqitha ubumnyama.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Isilumko, amehlo aso asentlokweni yaso; ke sona isinyabi sihamba emnyameni. Ndaqonda ke mna ukuba bonke bephela bahlelwa sihlo sinye.

15Ndathi mna entliziyweni yam, Njengoko sihlelwa kuko isinyabi, ndiya kuhlelwa kuko nam lo; ibiyini na ke ukuba ndisidlule mna ngokulumka? Ndathi entliziyweni yam, Kwanaloo nto ingamampunge.

16Ngokuba isilumko kunye nesinyabi asinakukhunjulwa kungunaphakade, ekubeni kusiza iimini ezoba sezilityelwe zonke ezo nto. Kutheni na, ukuba zife izilumko kunye nezinyabi?

17Ndabuthiya ke ubomi; ngokuba míbi kum imisebenzi eyenzeka phantsi kwelanga; ngokuba yonke loo nto ingamampunge, nokusukelana nomoya.

18Ndayithiya yonke imigudu yam, endaphuka yiyo phantsi kwelanga, ekubeni ndiya kuyishiya nomntu oya kubakho emva kwam.

19Waziwa ngubani na, ukuba wóba sisilumko, nokuba woba sisiyatha, kusini na? Ukanti uya kugunyazela emigudwini yam yonke endaphuka yiyo, endalumkayo kuyo phantsi kwelanga; kwanaloo nto ingamampunge.

20Ndajika ke mna, ndayincamisisa intliziyo yam ngemigudu yonke endaphuka yiyo phantsi kwelanga.

21Ngokuba kubakho umntu omigudu yakhe inobulumko, inokwazi, inempumelelo; ukanti uya kuyinika umntu ongenzanga migudu, ibe sisabelo sakhe; kwanaloo nto ingamampunge nobubi obukhulu.

22Ngokuba umntu uba nantoni na ngemigudu yakhe yonke, nangenzondelelo yentliziyo yakhe, aphuka yiyo yena phantsi kwelanga?

23Ngokuba imihla yakhe yonke inomvandedwa, nasekuzameni kwakhe ukhathazekile, nasebusuku ayiphumli intliziyo yakhe; kwanaloo nto ingamampunge.

24Akukho nto ilungileyo ebantwini kunokuba badle, basele, bawubonise umphefumlo wabo okulungileyo emigudwini yabo. Kwanaloo nto ndiyibonile, ukuba ivela esandleni sikaThixo.

25Ngokuba ngubani na ongádlayo, ngubani na ongávayo ubumnandi, engenaye?

26Ngokuba umntu olungileyo phambi kwakhe umnika ubulumko nokwazi novuyo; ke yena umoni umnika umzamo wokuhlanganisa nokuqweba, ukuze loo ntoayinike olungileyo phambi koThixo. Kwanaloo nto ingamampunge nokusukelana nomoya.

InTshumayeli 3

Ubuathalala bomntu necebo likaThixo

1Into yonke inexesha elimisiweyo, nomcimbi wonke unexesha lawophantsi kwezulu:

© 1975 Bible Society of South Africa.

[2]ukuzala kunexesha lako, ukufa kunexesha lakop ukutyala kunexesha lako, ukunyothula okutyelweyo kunexesha lako;

[3]ukubulala kunexesha lako, ukuphilisa kunexesha lako; ukuchitha kunexesha lako, ukwakha kunexesha lako;

[4]ukulila kunexesha lako; ukuhleka kunexesha lako; kukho ixesha lokulila umbambazelo, kukho nexesha lokudloba;

[5]kukho ixesha lokuchithachitha amatye, kukho nexesha lokufumba amatye; ukuwola kunexesha lako, ukuyeka ukuwola kunexesha lako;

[6]ukufuna kunexesha lako, ukulahlekelwa kunexesha lako; ukugcina kunexesha lako, ukulahla kunexesha lako;

[7]ukukrazula kunexesha lako, ukuthunga kunexesha lako; ukuthi cwaka kunexesha lako, ukuthetha kunexesha lako;

[8]ukuthanda kunexesha lako, ukuthiya kunexesha lako; kukho ixesha lemfazwe, kukho nexesha loxolo.

[9]Ùnalungelo lini na lowo usebenzayo, kuloo nto ayenzela imigudu?

[10]Ndiwubonile umzamo, awuniké oonyana babantu uThixo, ukuba bawuzame.

[11]Zonke izinto uzenzé zantle ngexesha lazo; kwanephakade ulinikele ezintliziyweni zabo ngohlobo lokuba umntu angasifumani isenzo asenzayo uThixo, athabathele ekuqaleni ade ase ekupheleni.

[12]Ndiyazi ke ukuba akukho nto ilungileyo phakathi kwabo, ingekukuvuya nokuzizuzela okulungileyo ebomini babo.

[13]Kwanokuba wonnke umntu adle, asele, abone okulungileyo emigudwini yakhe yonke: sisipho sikaThixo eso.

[14]Ndiyazi ke ukuba yonke into aya kuyenza uThixo, yiyo eya kuba ngonaphakade; kungòngezwa nto kuyo, kungàcatshulwa nto kuyo; uThixo ukwenzela ukuba koyikwe ebusweni bakhe.

[15]Le nto ikhoyo ibiselikho kade; nento eya kubakho ibiselikho kade. UThixo ke ubuya ayifune into egxothiweyo.

[16]Ndabuya ndabona phantsi kwelanga indawo yokugweba, ukuba okungendawo kukhona; nendawo yobulungisa, ukuba okungendawo kukhona.

[17]Ndathi mna entliziyweni yam, Nolilungisa nongendawo, uThixo uya kulithetha ityala labo; ngokuba umise ixesha layo yonke imicimbi, nazo zonke izenzo.

[18]Ndathi mna entliziyweni yam, Kungenxa yoonyana babantu, ukuze uThixo abahlèle, nokuze bazibone benjengeenkomo bona ngokwabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Ngokuba bayahlelwa oonyana babantu, xiyahlelwa neenkomo, sinye isihlo kubo nakuzo; njengoko kunjalo ukufa kwabo, kunjalo ukufa kwazo; mnye umoya kubo bonke nakuzo zonke; akukho kuyigqitha komntu inkomo; ngokuba zonke ezo nto zingamampunge.

20Zonke ezo nto ziya ndaweni-nye; zonke ezo nto zavela eluthulini, zonke ezo nto zibuyela eluthulini.

21Ngubani na owaziyo umoya woonyana babantu, ukuba uyenyuka na uye phezulu; nomoya wenkomo, ukuba uyehla na uye phantsi emhlabeni?

22Ndaqonda ke ukuba akukho nto ilunge ngaphezu kokuba umntu avuye ezenzweni zakhe; ngokuba kusisabelo sakhe oko. Ngokuba uya kungeniswa ngubani na, ukuba akubone okuya kubakho emveni kwakhe?

InTshumayeli 4

Inxalenye yamashwa obu bomi

1Ndabuya ke mna, ndakubona konke ukucudisa okwenziwayo phantsi kwelanga. Ndazibona iinyembezi zabacudisiweyo, bengenamthuthuzeli; esandleni sabacusisi babo kuphuma ububhovubhovu, bengenamthuthuzeli bona.

2Ndabancoma ke mna abafileyo, abasebefe kade, kunabahleliyo abasahleliyo ngoku.

3Ke ulungile kunabo bobabini lowo ungekabikho, ungakubonanga ukwenza okubi okwenziwa phantsi kwelanga.

4Kananjalo ndayiqonda ke mna yonke imigudu, nayo yonke impumelelo yomsebenzi, ukuba ingumona wokwanyelana. Kwanaloo nto ingamampunge, nokusukelana nomoya.

5Isinyabi sikhwabusha izandla, sidle kwaeyaso inyama.

6Kulungile ukuzalisa sandla sinye ngokuphumla, kunokuzalisa zozibini izandla ngemigudu nokusukelana nomoya.

7Ndabuya mna ndabona amampunge phantsi kwelanga.

8Kukho oba yedwa, ongenaye owesibini, ongenanyana namzalwana; ingenasiphelo imigudu yakhe yonke, angahluthiyo noko bubutyebi amehlo akhe. Akatsho ukuthi, Ndaphukela bani na, ndiwuhlutha nje umphefumlo wam okulungileyo? Kwanaloo nto ingamampunge, ingumzamo ombi yona.

9Kulungile ukuba babe ngababini kunokuba abe mnye, kuba banomvuzo olungileyo ngemigudu yabo.

10Ngokuba xa bathe bawa, omnye unokumphakamisa uwabo; yeha ke, yena oyedwa, othe wawa! kuba akukho wesibini wokumphakamisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Kananjalo ababini, bathe balala, baya kuva ukusitha; angáthini na ukuva ukusitha olele yedwa?

12Ukuba umntu uthe wamgagamela oyedwa, bona ababini baya kumisa phambi kwakhe; umsonto ontluntathu awuhle uqhawulwe.

13Ulungile umntwana olihlwempu elumkile, ngaphezu kokumkani oselemkhulu, esisidenge, ongasakuvayo ukuyalwa.

14Ngokuba uphuma endlwini yamakhonkxwa ukuba abe ngukumkani; ukanti uzalelwe ebukumkanini balowo ulihlwempu.

15Ndababona bonke abadla ubomi, behamba phantsi kwelanga kunye naye umntwana, lo ungowesibini, uza kuma esikhundleni salowo.

16Akukho kuphela kwabantu bonke, kwabo bonke angaphambi kwabo; ukanti amavela-mva akayi kuvuya ngaye. Ngokuba kwanaloo nto ingamampunge nokusukelana nomoya.

InTshumayeli 5

Ukunyaniseka elunqulweni

1Gcina unyawo lwakho xeshikweni uya endlwini kaThixo; ukusondela ukuba uve, kungaphezu kokunikela kwezidenge imibingelelo; ngokuba ukungazi kwazo kwenza izinto ezimbi.

2Musa ukungxama ngomlomo wakho, intliziyo yakho ingaphangi ikhuphe ilizwi phambi koThixo; ngokuba uThixo usemazulwini, ke wena usehlabathini; ngenxa yoko amazwi akho makabe mancinane.

3Ngokuba ukuphupha kuza ngobuninzi bemicimbi, nezwi lesidenge liza ngobuninzi bentetho.

4Xeshikweni uthe wabhambathisa isibhambathiso kuThixo, musa ukuzekelela ukusizalisa; ngokuba azinanzwa izidenge; loo nto uyibhambathisileyo yizalise.

5Kulungile ukuba ungabhambathisi, kunokuba ubhambathise ungazalisi.

6Musa ukuwuvumela umlommo wakho, ukuba uyonise inyama yakho; ungàtsho phambi komthunywa kaThixo ukuthi ibikukulahleka. Yini na ukuba uThixo abe noburhalarhume ngezwi lakho asonakalise isenzo sezandla zakho?

7Ngokuba ebuninzini bamaphupha namazwi, maninzi amampunge; ke yoyika uThixo.

Ugonyamelo nobutyebi

8Ukuba uthe wakubona ukucudiswa kwehlwempu, nokuhluthwa kokusesikweni nobulungisa elizweni, musa ukumangaliswa yiloo nto; ngokuba oyena uphakamileyo ukhangele phezu kophakamileyo; kukho abaphakamileyo naphezu kwabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[9]Ilungelo lelizwe entweni yonke ngukumkani onyamekela umhlaba.

[10]Othanda isilivere akaneliswa yisilivere; nalowo uthanda intabalala, akangenelwa nto. Kwanaloo nto ingamampunge.

[11]Ekwandeni kwezinto ezilungileyo bayanda abazidlayo zona, abe umninizo enempumelelo eyini na, ingekuko ukwanela ukuzibona ngamehlo?

[12]Bumnandi ubuthongo bosebenzayo, nokuba incinane, nokuba ininzi into ayidlayo; ke intabalala yesityebi ayisivumeli ukuba silale buthongo.

[13]Kukho ububi obusisifo, endibubonileyo phantsi kwelanga; ukuthi ubutyebi obugcinelwe umninibo, bube nobubi kuye;

[14]obo butyebi butshabalala ngento embi; uzala unyana, engenayo nento esandleni sakhe.

[15]Njengokuba waphuma esizalweni sonina ezé, uya kubuya emke njengoko weza enjalo, angàthabathi nento ngemigudu yakhe, angáyiphathayo ngesandla sakhe.

[16]Kwanale nto bububi obusisifo, ukuba eya kumka kanye kwanjengoko weza ngako: unalungelo lini na ke owaphukela umoya?

[17]Kananjalo iimini zakhe zonke uzidlela emnyameni, enengqumbo enkulu, nesifo, noburhalarhume.

[18]Nantsi into endiyibonileyo mna, ilungile, intle: into yokuthi umntu adle, asele, abone okulungileyo ngemigudu yakhe yonke aphuka yiyo phantsi kwelanga, ngokwenani lemihla yobomi bakhe amnikileyo uThixo, ngokuba kusisabelo sakhe oko.

[19]Kananjalo wonke umntu, athe uThixo wamnika ubutyebi nokuqweba, wamnika negunya lokudla kubo, athabathe isabelo sakhe, avuye emigudwini yakhe: sisipho sikaThixo eso.

[20]Ngokuba akayikhumbuli kakhulu imihla yobomi bakhe; ngokuba uThixo eluphendula uvuyo lwentliziyo yakhe.

InTshumayeli 6

Ubutyebi nobudwayi

[1]Kukho ububi endibubonileyo phantsi kwelanga, buninzi ke phezu komntu:

[2]yindoda uThixo ayinike ubutyebi, nokuqweba, nozuko, ungasweli umphefumlo wayo nanye into engáyinqwenelayo, aze uThixo angayiphi amandla okuyidla; ngokuba idliwa yenye indoda. Ngamampunge lawo, sisifo esibi eso.

[3]Ukuba umntu uthe wazala ikhulu labantwana, wadla ubomi iminyaka emininzi, yamininzi imihla yeminyaka yakhe, umphefumlo wakhe àwahlutha zizinto ezilungileyo, kananjalo akaba nangcwaba: ndithi mna, imvambilini ilungile kunaye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Ngokuba ifike ingamampunge, imka kumnyama, igama layo ligutyungelwe bubumnyama;

5kananjalo ayilibonanga ilanga, ayilazanga; le yona ilungile kunomntu lowo.

6Nokuba ebeya kudla ubomi iwaka leminyaka kude kube kabini, angàkuboni okulungileyo, ayiyi ndaweni-nye na yonke loo nto?

7Yonke imigudu yomntu uyenzela umlomo wakhe; ukanti umphefumlo awuzali.

8Ngokuba isilumko sisigqitha ngantoni na isidenge? Usigqitha ngantoni na olusizana, okwaziyo ukuhamba phambi kwabaphilileyo?

9Kulungile ukubona kwamehlo ngaphezu kokuhambahamba komphefumlo. Kwanaloo nto ingamampunge nokusukelana nomoya.

10Loo nto iselikho, yabe iselithiywe kade igama layo; yaziwa into aya kuba yiyo umntu; akanakumelana nalowo unokumeyisa.

11Ngokuba kukho amazwi amaninzi nje, andisa amampunge; umntu unalungelo lini na ngaloo nto?

12Ngokuba ngubani na owaziyo okumlungelelyo umntu ebomini, ngangenani lemihla yobomi bakhe obungamampunge, ayigqiba njengesithunzi? Ngokuba ngubani na onokumxelela umntu into eya kubakho emva kwakhe phantsi kwelanga?

InTshumayeli 7

ImiZekeliso ngemizekeliso

1Igama elilungileyo lingaphezulu nakwioli elungileyo; ulungile umhla wokufa ngaphezu komhla wokuzalwa komntu.

2Kulungile ukuya endlwini yesijwili kunokuya endlwini yemigidi; kuba oko kukuphela kwabantu bonke, aze ophilileyo akunyamekele ngentliziyo oko.

3Kulungile ukuba nosizi ngaphezu kokuhleka; ngokuba intliziyo iyalunga bububi bobuso.

4Intliziyo yezilumko isendlwini yesijwili; ke intliziyo yezidenge isendlwini yovuyo.

5Kulungile ukuva ukukhalimela kwesilumko, kunokuba umntu eve ingoma yezidenge.

6Ngokuba njengokuqhuqhumba kwevaba ngaphantsi kwembiza, kunjalo ukuhleka kwesidenge; naloo nto ingamampunge.

7Ngokuba ukucudisa kugezisa isilumko, siyitshabalalise intliziyo isicengo.

8Kulungile ukugqitywa kwendawo, ngaphezu kokuqalwa kwayo; ulungile umoya ozeka kade umsindo, kunomoya ozidlayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Musa ukukungxamela ukuqumba ngomoya wakho, ngokuba ingqumbo ilala esifubeni sezidenge.

10Musa ukuthi, Ibiyini na, le nto imihla yamandulo ibilungile ngaphezu kwale? ngokuba akuthabatheli ebulumkweni ukuyibuza loo nto.

11Bulungile ubulumko, bunelifa, bulilungelo kwabalibonayo ilanga.

12Ngokuba ubulumko bungumthunzi, imali ingumthunzi; ke ukugqithisela kokwazi, kukuba ubulumko buyabasindisa abo banabo.

13Wukhangele umsebenzi kaThixo; ngokuba ngubani na onokolula into ayenzé yagoso?

14Ngomhla wentsikelelo chwayitha, nangomhla wobubi qonda kakuhle, ukuba naló, kwanjengalowa, wenziwe nguThixo, ngenxa enokuba umntu engafumani nto emva kwakhe.

15Le nto yonke ndiyibonile ngemihla yam engamampunge: kubàkho ilungisa elitshabalalayo noko linobulungisa, kubekho ongendawo ophila ixesha elide, noko angendawo.

16Musa ukuba lilungisa ngokukhulu, ungabi sisilumko ngokugqithiselelyo; yini na ukuba uziphanzise?

17Musa ukuba ngongendawo ngokukhulu, ungazenzi isidenge; yini na ukuba ufe lingekabi lixesha lakho?

18Kulungile ukuba ubambelele kule nto nakuleya, ungasiphumzi isandla sakho; ngokuba owoyika uThixo uphumelela kuzo zonke ziphela.

19Ubulumko buyasiqinisa isilumko, ngaphezu kweshumi labanegunya abakulo mzi.

20Ngokuba akukho mntu ulilungisa ehlabathini, wenza okulungileyo, angoni.

21Kananjalo musa ukuyinikela intliziyo yakho kumazwi onke athethwayo, ukuze ungevi umkhonzi wakho, eselekutshabhisa;

22ngokuba intliziyo yakho nayo iyazi izihlandlo ezininzi, ukuba ùyabatshabhisa abanye nawe.

23Ezo zinto zonke ndizilingile ngobulumko; ndathi ndiya kulumka; ke bona baba kude kum.

24Hayi, ukuba kude kwezinto ezikhoyo, zinzulu kakhulu; ngubani na oya kuzifumana?

25Ndajika ke mna, ndanentliziyo enga ingázi, ingásingasinga, ifume ubulumko nesigqibo seengcinga; enga ingákwazi okungendawo ukuba kukunyaba, nokumatha ukuba kukugeza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Ndayifumana ikrakra ngaphezu kokufa, inkazana eyiyimigibe iphela, ezizibatha intliziyo yayo, ezandla zingamakhamandela; olungileyo phambi koThixo uya kusínda kuyo, ke yena umoni uya kubanjiswa yiyo.

27Yabona into endiyifumeneyo, itsho iNtshumayeli, ndihloma enye kwenye, ukuba ndifumane isigqibo seengcinga;

28obumana ukuyifuna umphefumlo wam, ndingayifumani, nantsi: indoda enye ewakeni ndiyifumene, ke yona inkazana kulo lonke andiyifumananga.

29Yabona, le nto yodwa ndiyifumene, yokuba uThixo wamenza umntu wathi tye; ke bona bafune ubuqili obuninzi.

InTshumayeli 8

Amaqhalo ngobulumko nolawulo

1Ngubani na onjengeislumko esi? Ngubani na okwaziyo ukuconjululwa kwendawo? Ubulomko bomntu bukhanyisa ubuso bakhe, bugúqulwe ubungwanyalala bobuso bakhe.

2Mna ndithi, Umthetho wokumkani wugcine, ngenxa yesifungo sikaThixo.

3Musa ukukungxamelo ukumka ebusweni bakhe; ungangeni kwiyelenqe; ngokuba into yonke ayinanzileyo uyayenza.

4Ekubeni ilizwi lokumkani linegunya, ngubani na onokuthi kuye, Wenza ntoni na?

5Ogcina umthetho akazi nto imbi; intliziyo yesilumko iyalazi ixesha nesigwebo;

6ngokuba yonke imicimbi inexesha nesigwebo; ngokuba ububi bomntu buba buninzi phezu kwakhe;

7ngokuba engayazi into eya kubakho. Ngokuba ngubani na onokumxelela njengoko kuya kuba njalo?

8Akukho mntu unokuwugunyazela umoya, awuthintele umoya; akukho unokuyigunyazela imini yokufa; akukho kukhululeka kuloo mfazwe; okungendawo akunakubasiza abaniniko.

9Le nto yonke ndiyibonile, ndayinikela intliziyo yam kwizenzo zonke ezenziwayo phantsi kwelanga, ngexesha athi umntu agunyazele umntu, kube kubi kuye.

10Ekubeni kunjalo, ndibone abangendawo bengcwatywa, begoduka; besithi endaweni engcwele bemke abo benzé okulungileyo, balityalwe kuloo mzi.

11Kwanaloo nto ingamampunge. Ekubeni isigwebo singàwiswa kamsinyane emsebenzini ombi, ngenxa yoko intliziyo yoonyana babantu izele ngaphakathi kwabo kukwenza okubi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Nakubeni umoni esenza okubi izihlandlo ezilikhulu, ayolule imihla yakhe, noko
ndiyazi ukuba kuya kulunga kwabamoyikayo uThixo, kwaboyikayo ebusweni bakhe;

13kungalungi kongendawo, angayoluli imihla yakhe, njengethunzi; ekubeni engoyiki
ebusweni bukaThixo.

14Kukho amampunge enzekayo ehlabathini: ukuba kukho amalungisa ahlelwa
ngokokwenza kwabangendawo; kukho nabangendawo abahlelwa ngokokwenza
kwamalungisa; ndathi, kwanaloo nto ingamampunge.

15Ndaluncoma ke mna uvuyo, ngokuba kungekho nto imlungeleyo umntu phantsi
kwelanga, ngaphezu kokuba adle, asele, avuye; loo nto ithane mbende naye
emigudwini yakhe, ngemihla yobomi bakhe amnikayo uThixo phantsi kwelanga.

16Xeshikweni ndayinikelayo intliziyo yam ukuba ndibazi ubulumko, ndiwubone
umzamo owenzekayo ehlabathini (ngokuba nasemini nasebusuku ababoni buthongo
ngamehlo abo),

17ndasibona ke sonke isenzo sikaThixo, ukuba akanako umntu ukusifumana isenzo
eso senzekayo phantsi kwelanga; nakubeni umntu esaphuka ukusifuna, akasifumani.
Nokuba sithe isilumko safuna ukwazi, asinakufumana.

InTshumayeli 9

Chwayitha kobu ubomi!

1Ngokuba yonke le nto ndayinyamekela ngentliziyo yam, ndayihléla yonke le nto,
yokuba amalungisa, nezilumko, nemisebenzi yabo, isesandleni sikaThixo; nokuthanda
nokuthiya, akukhona ekwazini kwabantu; le nto yonke basebeyimiselwe.

2Izinto zonke zibahlèla ngokufanayo bonke: sinye isihlo kwilungisa nakongendawo;
kolungileyo, kohlambulukileyo, nakoyinqambi; kobingelelayo nakongabingeleliyo;
njengoko anjalo olungileyo, unjalo nomoni; ofungayo unjengalowo ukoyikayo
ukufunga.

3Le yinto embi phakathi kwezinto zonke ezenzekayo phantsi kwelanga, ukuthi sibe
sinye isihlo kubo bonke; ibe nentliziyo yoonyana babantu izele bububi; ibubugeza
entliziyweni yabo besadla ubomi; emveni kwabo kuyiwa kwabafileyo.

4Ngokuba kosukuba ehlonyelwa kwabasadla ubomi, kusekho ithemba; ngokuba inja
esaphilileyo ilunge ngaphezu kwengonyama efileyo.

5Ngokuba abadla ubomi bayazi ukuba baya kufa; ke bona abafileyo àbazi lutho,
àbasabi namvuzo; ngokuba balityelwe, àbasakhunjulwa nganto.

6Seluphelile kade uthando lwabo, nentiyo yabo, nekhwele labo; àbasenasabelo
naphakade ezintweni zonke ezenzekayo phantsi kwelanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Yiya udle isonka sakho unovuyo, usele iwayini yakho unentliziyo echwayithileyo; ngokuba sekukade ekholisiwe uThixo zizenzo zakho.

8Iingubo zakho mazibe mhlophe ngamaxesha onke, neoli mayingasweleki entlokweni yakho.

9Hlala kakuhle nomfazi omthandileyo ngemihla yonke yobomi bakho obungamampunge, akunikileyo phantsi kwelanga, ngemihla yakho yonke engamampunge; ngokuba sisabelo sakho eso ebomini, nasemigudwini yakho owaphuka yiyo phantsi kwelanga.

10Yonke into esiyifumanayo isandla sakho ukuba siyenze, yenzé ngamandla akho; ngokuba akukho kwenza, nakucinga, nakwazi, nakulumka kwelabafileyo, apho uya khona wena.

11Ndabuya ndabona phantsi kwelanga, ukuba ukugidima asikokwabanamendu, imfazwe asiyeyamagorha; kananjalo isonka asisesezilumko; kananjalo ubutyebi asibobabanenqiqo; kananjalo ubabalo asilolwabanokwazi; ngokuba bonke bephela bafikelwa lixesha nasisihlo.

12Ngokuba umntu akalazi nexesha lakhe; njengeentlanzi ezibanjiswe ngomnatha ombi, nanjengeentaka ezibanjiswe ngomgibe, banjalo ukurhintyelwa kwabo oonyana babantu ngexesha elibi, xa libawele ngesiquphe.

13Nale nto ndiyibone ibubulumko phantsi kwelanga, babukhulu kum:

14umzi omncinane unamadoda ambalwa; kweza kuwo ukumkani omkhulu, wawungqinga, wawakhela iimboniselo ezinkulu.

15Wafumana kuwo indoda elihlwempu inobulumko; yona yawusiza umzi ngobulumko bayo; ke akubangakho mntu ubuya ayikhumbule le ndoda ilihlwempu.

16Ndathi ke mna, Bulunge ubulumko ngaphezu kobugorha; kodwa ubulumko beli hlwempu budelekile, namazwi alo akaviwa.

17Amazwi ezilumko, eviwe ngokuthozama, angaphezu kokunkqangaza kolawula phakathi kwezidenge.

18Bulunge ubulumko ngaphezu kweempahla zokulwa; ke yena umoni emnye utshabalalisa okulungileyo okuninzi.

InTshumayeli 10

ImiZekeliso esekwe phezu kwamava

1Iimpukane ezifileyo zinukisa zibilise amafutha omqholi; ubudenge obuncinane bunzima kunobulumko nozuko.

2Intliziyo yesilumko ingasekunene kwaso; intliziyo yesidenge ingasekhohlo kwaso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ewe, nasendleleni, xa sithe isidenge sahamba ngayo, siyayiswela intliziyo, sihambe sisithi kubantu bonke, Ndisisidenge.

4Ukuba ukufutha komlawuli kuthe kwenyuka kwakuchasa, musa ukuyishiya indawo yakho; ngokuba ubulali buleleza izono ezikhulu.

5Kukho ububi endibubonileyo phantsi kwelanga, obunjengokulahleka okuphuma konegunya:

6ubudenge bunikwa iindawo eziphezulu ezinkulu, ziba izityebi zihleli kwiindawo eziphantsi.

7Ke ndiziboné izicaka zikhwele emahasheni, namatshawe ehamba phantsi ngeenyawo njengezicaka.

8Omba isigingqi, angéyela kuso; ochitha uthango, inyoka ingámluma.

9Omba amatye, angenzakala; ocanda iinkuni angaba semngciphekweni.

10Ukuba intsimbi ithe yaba buthuntu, àkalulola uhlangothi lwayo, wogonyela ngoko ngamandla; ke ubulumko buyanceda bulungise.

11Ukuba inyoka ithe yaluma kungekho kukhafula, akabi nanzuzo umnyangi.

12Amazwi omlomo wesilumko anokubabala; ke yona imilebe yomlomo wesidenge iginya kwasona.

13Ingqalo yamazwi omlomo waso bububudenge, nengqibo yomlomo waso bubugeza obubi.

14Isidenge sandisa amazwi, engakwazi umntu okuya kubakho; nokuya kubakho emva kwakhe, ngubani na onokumxelela?

15Imigudu yezidenge iyazixhamla, ezingakwaziyo ukuya emzini.

16Yeha, wena lizwe likumkani ungumntwana, limatshawe adla kwakusasa!

17Hayi, uyolo lwakho, lizwe likumkani ungunyana wabanumzana, limatshawe adlayo ngexesha elililo, enobugorha, engenamithayi!

18Ngobuvila iyabhena imigadi; ngokuthamba kwezandla iyanetha indlu.

19Benza isidlo ukuba bahleke, iwayini ivuyise ubomi; imali ilungele iinto zonke.

20Musa ukumtshabhisa ukumkani, nasesazeleni sakho, ungasitshabhisi nesityebi ezingontsini zakho zokulala; ngokuba intaka yasendle yolihambisa elo zwi, nento enamaphiko iyixele loo ntetho.

InTshumayeli 11

Amacebo aphilileyo ngokuzuzwa kwempumelelo ebomini

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Síphose isonka sakho phezu kwamanzi, ngokuba wosifumana kwakuba ziintsuku ezininzi.

2Yahlula izahlulo zibe sixhenxe, zibe sibhozo, ngokuba akuyazi into embi eya kubakho ehlabathini.

3Ukuba amafu athe azala yimvula, ayithululela emhlabeni; ukuba umthi uthe wawa, wabheka ezantsi, nokuba uthe wabheka entla, kuloo ndawo uwe kuyo umthi lowo, wolala khona.

4Ogqala umoya akayi kuhlwayela; okhangela amafu akayi kuvuna.

5Njengokuba ungayazi ukuba yiyiphi na indlela yomoya, kwanjengokuyilwa kwamathambo esiswini somithiyo; ngokunjalo akusazi isenzo sika Thixo owenza izinto zonke.

6Kusasa hlwayela imbewu yakho, nangokuhlwa ungasiphumzi isandla sakho; ngokuba ungàzi ukuba kolunga yiphi na, nokuba yile nokuba yileya, kusini na, nokuba zolunga ngakunye zombini na.

7Kumnandi ukukhanya, kulungile emehlweni ukulibona ilanga.

8Ngokuba umntu, ukuba uthe wadla ubomi iminyaka emininzi, makavuye ngayo yonke iphela, noko ke akhumbule imihla yobumnyama, ukuba iya kuba mininzi. Yonke into ezayo ingamampunge.

9Vuya, ndodana, ebutsheni bakho, ikuchwayithise intliziyo yakho ngemihla yobudodana bakho, uhambe ngeendlela zentliziyo yakho, nangokukhangela kwamehlo akho; kodwa yázi ukuba ngenxa yezo zinto zonke uThixo uya kukusa ematyaleni.

10Yisuse ke ingqumbo entliziyweni yakho, ubudlulise ububi enyameni yakho; ngokuba ubutsha nobudoda bungamampunge.

InTshumayeli 12

Ubuxhego nokufa

1Uze umkhumbule ke uMdali wakho ngemihla yobutsha bakho, ingekezi imihla yobubi, ingekafiki iminyaka owothi ngayo, Ayindiyolele;

2lingekabi mnyama ilanga, nokukhanya, nenyanga, neenkwenkwezi, engekabuyi amafu emva kwemvula;

3loo mini baya kungevezela abagcini bendlu, agobe amadoda anobukroti, ziyeke iintokazi ezisilayo ngokuba zimbalwa, kube mnyama kwabakhangela ngeefestile;

4zivalwe iingcango ngasesitratweni, kwakubon' ukuba sidambile isandi sokusila, evuka kwazisathetha iintaka, zinqwilile zonke iintombi zengoma;

© 1975 Bible Society of South Africa.

5naxeshikweni baya kuzoyika iindawo eziphakamileyo, neento eziqhiphula umbilini
zibe sendleleni; utyatyambe umamangile, uchabachabase umqhathu, utshitshe
umnqweno; ngokuba umntu esiya ekhayeni lakhe laphakade, bajikajike ezitratweni
abambambazeli;

6ingekaqhawuki intambo yesilivere, lityumke iselwa legolide, uqhekeke umphanda
emthonjeni, yaphuke ivili iwe equleni;

7lungekabuyeli emhlabeni uthuli, njengoko belunjalo, umoya ubuyele kuThixo
owawunikayo.

8Amampunge awo amampunge, itsho iNtshumayeli; into yonke ingamampunge.

Izithetho zokuqukumbela

9Phezu koko, ngokuba iNtshumayeli ibisisilumko, yamana ibafundisa abantu ukwazi,
yalinganisela, yabagocagoca, yayila imizekeliso emininzi.

10INtshumayeli yafuna, inga ingafumana amazwi anandiphekayo, kuthi
nokubhalwayo kulunge, ibe ngamazwi enyaniso.

11Amazwi ezilumko anjengeemviko; anjengezikhonkwane ezitshonisiweyo,
asezintlanganiseleni anikwe ngumalusi emnye.

12Nangaphezu koko, nyana wam, vuseleleka; ukwenza iincwadi ezininzi
akunakuphela, nokuphikela ukufunda okuninzi kudinisa inyama.

13Ukuhlanganiswa kwentetho, yakuba ivakele into yonke, nanku: yoyika uThixo,
ugcine imithetho yakhe; ngokuba indawo leyo yimfanelo yoluntu lonke.

14Ngokuba izenzo zonke uThixo uya kuzizisa ekugwetyweni, izinto zonke
ezifihlakeleyo, nokuba zilungile nokuba zimbi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ingoma Yazo Iingoma

Ingoma Yazo Iingoma 1

Umtshakazi uvuyela ubunzwakazi bakhe

1Ingoma yazo iingoma, eyekaSolomon.

2Makandange ngokwanga komlomo wakhe; Ngokuba izincokoliso zakho zimnandi ngaphezu kwewayini.

3Amafutha akho anevumba elimnandi; Liyioli ethululwayo igama lakho; Ngenxa yoko iintombi ziyakuthanda.

4Nditsale, sogidima emva kwakho; Ukuba ukumkani undingenise ezingontsini zakhe, Sogcoba, sivuye ngawe. Sozikhankanya izincokoliso zakho ngaphezu kwewayini; Zikuthanda zinyanisile.

5Ndimnyama, ndinomkhitha noko, Zintombi zaseYerusalem, Njengeentente zakwaKedare, Njengamalengalenga kaSolomon.

6Musani ukundikhangela ngakuba ndife mnyama, Ngakuba nditshe lilanga. Oonyana bakama bandivuthela ngomsindo, Bandenza umlindi wezidiliya; Ke esisesam isidiliya andisilindanga.

7Khawundixilele, wena uthandwa ngumphefumlo wam, Walúsela phi na? Ùyibuthisa phi na imihlambi emini enkulu? Ngokuba kungani na ukuba ndibe njengogqubutheleyo Ngasemihlambini yamakholwane akho?

8Ukuba àkwazi, nzwakazindini phakathi kweentokazi, Phuma, uhambe ngemikhondo yomhlambi, Uwaluse amatakane akho ngaseminqubeni yabalusi.

Isincoko sokuthandana komyeni nomtshakazi

9Ndikufanekisé, wethu, Nehashe kwaweenqwelo zikaFaro!

10Zinomkhitha izidlele zakho ziingcaca, Umqala wakho zizidanga.

11Sòkwenzela iingcaca zegolide Ezinamaqhula esilivere.

12Xa ukumkani asesetafileni yakhe, Inadusi yam isuka ilikhuphe ivumba layo.

13Sisiqhuma semore intánda yam kum, Esihleli phakathi kwamabele am.

14Sisihloko sekofere intánda yam kum Ezidiliyeni zase-Engedi.

15Yabona, ùyinzwakazi, wethu! Yabona, ùyinzwakazi! Amehlo akho anjengawamavukuthu.

16Yabona, ùyinzwakazi, ntánda yam; ewe, umnandi; Umandlalo wethu uluhlaza.

17Imiqadi yendlu yethu yimisedare, Iipanele zethu yimisipres.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

Ingoma Yazo lingoma 2

Ukuthandana nokuncomana ngothando

1Ndingumfiyo waseSharon, Ndiyinyibiba yasezintlangeni.

2Njengenyibiba phakathi kweminga, Únjalo uwethu phakathi kweentombi.

3Njengomapile phakathi kwemithi yehlathi, Injalo intánda yam phakathi koonyana. Ndanqwena, ndahlala phantsi emthunzini wawo, Nesiqhamo sawo sanencasa ekhuhlangubeni lam.

4Indingenisé endlwini yewayini, Nebhanile yayo phezu kwam luthando.

5Ndixhaseni ngezicumba zeerasintyisi, Ndisekeleni ngeeapile; ngokuba ndisifa luthando.

6Isandla sayo sokhohlo siphantsi kwentloko yam; Esokunene siyandiwola.

7Zintombi zaseYerusalem, ndinifungisa Amabhadikazi namaxhamakazi asendle, Ukuba ningàluvusi, ukuba ningaluvuseleli uthando, Lude luthande.

8Phulaphulani! Intánda yam, nantso isiza, Itsiba ezintabeni, isuka imitsi ezindulini.

9Intánda yam ifana nebhadi, nenkonyana yexhama. Nantso imi emva kodonga lwakokwethu, Ithe nzo ngeefestile, Inyondla ngekroba.

10Intánda yam yasusela, yathi kum, Suk' ume, wethu, nzwakazi yam, uze;

11Ngokuba uyabona, ubusika budlule, Imvula igqithile yemka;

12Iintyantyambo zibonakele ezweni; Ixesha lokuntyiloza kweentaka lifikile; Izwi lehobe livakele ezweni lethu;

13Umkhiwane ukrwala amakhiwane awo, Imidiliya ityatyambile, Itsho ngevumba elimnandi. Suk' ume, wethu, nzwakazi yam, uze.

14Vukuthu lam elisemxawukeni wengxondorha, entsithelweni yemiba, Ndíbonise ubuso bakho, ndívise ilizwi lakho; Ngokuba izwi lakho limnandi, ubuso bakho bunomkhitha.

15Sibambeleni iimpungutye, iimpungutye ezincinane ezonakalisa izidiliya; Izidiliya zethu zityatyambile.

16Intánda yam yeyam, mna ke ndingowayo; Yalusela ezinyibibeni.

17Ide iphole imini, oluke amathunzi, Jika, ntánda yam, uxelise ibhadi, uxelise inkonyana yexhama, Ezintabeni ezibugqagala.

Ingoma Yazo lingoma 3

Umtshakazi ulangazelela umyeni

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Esililini sam ebusuku ndamfuna lowo uthandwa ngumphefumlo wam; Ndamfuna andamfumana.

2Ndathi, Ndokha ndivuke, ndijikajike phakathi komzi, Ezindaweni zembutho nasezitratweni; Ndiya kumfuna lowo uthandwa ngumphefumlo wam. Ndamfuna andamfumana.

3Abalindi abajikajika phakathi komzi bandifumana; Ndathi kubo, Khe nambona na lowo uthandwa ngumphefumlo wam?

4Ndithe ndisandula ukudlula kancinane kubo, Ndamfumana lowo uthandwayo ngumphefumlo wam; Ndambamba, andamyeka, Ndada ndamzisa endlwini kama, Engontsini yowandikhawulayo.

5Zintombi zaseYerusalem, ndinifungisa Amabhadikazi namaxhamakazi asendle, Ukuba ningàluvusi, ukuba ningaluvuseleli uthando, Lude luthande.

Ukuphelekwa kwesingqengqelo sokumkani ongumyeni

6Ngubani na lo, unyuka evela entlango njengemiqulu yomsi, Eqhunyiselwa ngemore nentlaka emhlophe, Ithatyathwe emigutyeni yonke yomrhwebi?

7Yabona, sisingqengqelo sikaSolomon, Siphahlwe ngamagorha angamashumi amathandathu Kumagorha akwaSirayeli.

8Onke aphethe amakrele, afundiswe ukulwa, Lilelo linekrele ethangéni lalo Ngenxa yokoyika ebusuku.

9Ukumkani uSolomon uzenzele ithala Ngemithi yaseLebhanon.

10Iintsika zalo uzenze ngesilivere, Isayamo salo ngegolide, umqamelo walo ngento emfusa, Umphakathi walo ubekelelwe ngothando, Luvela ezintombini zaseYerusalem.

11Phumani, zintombi zaseZiyon, nimkhangele ukumkani uSolomon, Enesithsaba, awasinxitywa ngunina ngemini yokuzeka kwakhe, Nangemini yokuvuya kwentliziyo yakhe.

Ingoma Yazo Iingoma 4

Ukunconywa kobunzwakazi bomtshakazi nempendulo yakhe

1Yabona, ùyinzwakazi, wethu; yabona, ùyinzwakazi. Amehlo akho anjengawamavukuthu ngaphaya kwesigqubuthelo sakho; Iinwele zakho zinjengomhlambi weebhokhwe Osemathambekeni eentaba zaseGiliyadi.

2Amazinyo akho anjengomhlambi weegusha ezichetyiweyo, Ezinyukayo zivela ekuhlanjweni, Zinamawele zonke, Kungekho ifelweyo kuzo.

3Ùnjengosinga olubomvu umlomo wakho; Ukuthetha kwakho kumnandi. Zinjengothanda lwerharnate iintlafuno zakho Ngaphaya kwesigqubuthelo sakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Intamo yakho injengenqaba kaDavide, eyakhiwe ngokweendidi, Ekuxhonywe kuyo iwaka leengweletshetshe, Onke amakhaka amagorha.

5Amabele akho omabini anjengamankonyana amabini angamawele ebhadi, Esidla phakathi kweenyibiba.

6Ide iphole imini, oluke amathunzi, Ndiya kuhamba ndiye entabeni yemore, Nasendulini yentlaka emhlophe.

7Ùyinzwakazi kwaphela, wethu; Akukho siphako kuwe.

8Yiza sihle eLebhanon, mtshakazi, Yiza sihle eLebhanon; Ufike ubonisele encotsheni yeAmana, Encotsheni yeSenire neHermon, Ezikhundleni zeengonyama, ezintabeni zezingwe.

9Uyingxwelerhile intliziyo yam, dade wethu, mtshakazi; Uyingxwelerhile intliziyo yam ngomjezulo omnye, Ngamrhukane mnye wesambalo sakho.

10Azi kuhle ukuncokolisa kwakho, dade wethu mtshakazi! Azi kumnandi ukuncokolisa kwakho ngaphezu kwewayini, Nevumba lamafutha akho ngaphezu kobulawu buphelele!

11Umlomo wakho uvuza incindi, mtshakazi; Bubusi namasi ngaphantsi kolwimi lwakho. Ivumba leengubo zakho linjengevumba leLebhanon.

12Ngumyezo obiyelweyo udade wethu, umtshakazi; Ngumgogogo ovaliweyo, liliso lomthombo elitywiniweyo.

13Amahlumelo akho ngumyezo wemirharnate, kunye neziqhamo ezimnandi kakhulu, Ikofere kunye nenadusi;

14Inadusi nesafron, Ikalamo nesinamon, kunye nemithi yonke yentlaka emhlophe, Imore nehaloti, kunye nobulawu bonke obuyintloko.

15Ùliliso lomthombo lasemiyezweni, Iqula lamanzi aphilileyo, Nemiqukuqela yamanzi yaseLebhanon.

16Vuka, moya wasentla, uze nawe wasezantsi: Phephezela emyezweni wam, buqukuqele ubulawu bawo. Mayingene intánda yam emyezweni wayo, Idle isiqhamo esimnandi kakhulu.

Ingoma Yazo Iingoma 5

Umtshakazi ulangazelela umyeni

1Ndingenile emyezweni wam, dade wethu, mtshakazi wam; Ndiyikhile imore yam kunye netyeleba lam; Ndiyidlile intlango yam kunye nencindi yam; Ndiyiséle iwayini yam kunye namasi am. Yidlani bethu, Selani nibe mnandi, zintánda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ndilele, yona intliziyo yam iphaphamile. Yiva, nantso intánda yam inkqonkqoza, isithi, Ndivulele, dade wethu, vukuthu lam, ngqibeleli yam, Ngokuba intloko yam izele ngumbethe, Isihlwitha sam sizele ngamathontsi obusuku.

3Ndathi, Sendikhulule nengubo yam yangaphantsi; ndothini na ukubuya ndinxibe? Sendizihlambile iinyawo zam, ndothini na ukubuya ndizidyobhe?

4Intánda yam yasolula isandla sayo ngekroba; Kwasika esiswini ngenxa yayo.

5Ndavuka ndaya kuyivulela intánda yam, Nezandla zam zavuza imore; Neminwe yam, imore eyivuzelayo Esiphathweni sesitshixo.

6Ndayivulela mna intánda yam; Ke yona intánda yam ibijike yemka. Ndemkelwa ngumbilini yakuthetha; Ndayifuna, andayifumana; Ndayibiza, àyasabela.

7Bandifumana abalindi abajikajika phakathi komzi, Bandibetha, bandilimaza; Abalindi beendonga bandihlutha ingubo yam yokwaleka ekrelekrele.

8Ndiyanifungisa, zintombi zaseYerusalem, ukuba nithe nayifumana intánda yam, Into enoyixelela yona, nothi, ndiyafa luthando.

Ukunconywa kobunzwana nokomelela komyeni

9Iyintoni na intánda yakho kunezinye iintánda, Wena nzwakazindini phakathi kweentokazi? Iyintoni na intánda yakho kunezinye, Ukuba wenjenje ukusifungisa?

10Intánda yam iqaqambile, iyingqombela, Iyeyongamileyo ngaphezu kwamawaka alishumi.

11Intloko yayo iyigolide engcwengiweyo, ecikizekileyo; Isihlwitha sayo siziinduli ngeenduli, simnyama njengehlungulu.

12Amehlo ayo anjengawamavukuthu, engasemifuleni yamanzi, Ezihlamba ngamasi, ehleli njengamatye afakwe kakuhle.

13Izidlele zayo zinjengemityino yetyeleba, njengezigánga zezityalo zokuqhola; Umlomo wayo unjengeenyibiba, uvuza imore ezivuzelayo.

14Izandla zayo ziintonga zegolide, zifakwe amatye aseTarshishe, Isibili sayo siluphondo lwendlovu, lukrwilwe ngesafire.

15Imilenze yayo ziintsika zemarmore emhlophe, zifakwe ezisekweni zegolide engcwengiweyo. Isithomo sayo sinjengeLebhanon, sisihle njengemisedare.

16Ikhuhlangubo layo linobumnandi; inqwenelekile yona iphela. Yiyo leyo intánda yam; nguye lowo uwethu, Zintombi zaseYerusalem.

Ingoma Yazo Iingoma 6

Isincoko esingothando lomtshakazi nomyeni

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]Iye phi na intánda yakho, Wena nzwakazindini phakathi kweentokazi? Ibheke ngaphi na intánda yakho, Ukuze sikufunise?

[2]Intánda yam ihle yaya emyezweni wayo, emityinweni yetyeleba, Ukuba yalusele emyezweni, ukuba ikhe iinyibiba.

[3]Mna ndingowentánda yam, nentánda yam yeyam yona; Yalusela ezinyibibeni.

[4]Ùyinzwakazi, wethu, njengeTirtsa, Ùnomkhitha njengeYerusalem; Wòyikeka njengemikhosi eneebhanile.

[5]Wasuse amehlo akho kum, Ngokuba andiqwelile. Iinwele zakho zinjengomhlambi weebhokhwe Ezisemathambekeni aseGiliyadi.

[6]Amazinyo akho anjengomhlambi weemazi zeegusha Ezinyukayo, zivela ekuhlanjweni, Zonke zizele amawele, Kungekho ifelweyo kuzo.

[7]Zinjengothanda lwerharnate iintlafuno zakho, Ngaphaya kwesigqubuthelo sakho.

[8]Bangamashumi amathandathu ookumkanikazi, angamashumi asibohzo amashweshwe, Neentombi ezingenakubalwa.

[9]Mnye yena olivukuthu lam oyingqibeleli yam; Mnye yena kunina, Umnyulwa walowo wamzaláyo. Zambona iintombi, zathi únoyolo, Bamdumisa ookumkanikazi namashweshwe.

[10]Ngubani na lo uthi gqi njengesifingo, Mhle njengenyanga, Unyulu njengelanga, Woyikeka njengemikhosi eneebhanile?

[11]Bendihle ndaya emyezweni weminoti, Ukuba ndikhangele uhlaza lwesihlambo, Ndikhangele ukuba umdiliya unamathupha na, Imirharnate ityatyambile na.

[12]Bendingazi ukuba umphefumlo wam undibeke Ezinqwelweni zabantu bam, zamanene.

[13]Buya, buya, mShulamikazi; Buya, buya, sikubone. Nibona ntoni na kumShulamikazi, Njengokungathi kukuqamba kwabaMahanayim?

Ingoma Yazo Iingoma 7

[1]Azi kuhle ukunyathela kwakho ngeembadada, ntombi yenene! Izimbo zamanqe akho zinjengezidanga, Umsebenzi wezandla zengcibi.

[2]Inkaba yakho sisidendeleko esiyinqila; Masingasweli iwayini ephithikeziweyo; Isisu sakho sisidimbilili sengqolowa, Sibiyelwe ngeenyibiba.

[3]Amabele akho amabini anjengamankonyana ebhadi, Amankonyana amabini ebhadi, angamawele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Intamo yakho injengenqaba yophondo lwendlovu; Amehlo akho ngamachibi
aseHeshbhon, Ngasesangweni layo, inabantu abaninzi; Impumlo yakho injengenqaba
yaseLebhanon Ebheke eDamasko.

5Intloko yakho phezu kwakho injengeKarmele, Ubuyakayaka bentloko yakho
bunjengosinga olumfusa; Ukumkani ukhonkxwe ngeenjiko zabo.

6Azi ùmhle, azi ùmnandi, Luthando, eziyolweni!

7Iwonga lakho eli lifana nomthi wesundu; Amabele akho afana nezihloko zomdiliya.

8Ndathi, Ndiya kumínya emthini wesundu; Ndiya kubambelela emagqabini awo;
Amabele akho makabe njengezihloko zomdiliya, Nevumba lempumlo yakho libe
njengeeapile;

9Nekhuhlangubo lakho libe njengewayini le ilungileyo, Ihla kamnandi kwintánda yam,
Ibanga ukuba uthethe umlomo wabaleleyo.

10Mna ndingowentánda yam, Kukum ukungxamela kwayo.

11Hamba, ntánda yam, siphume siye emaphandleni, Silale emizaneni.

12Masivuke kusasa, siye ezidiliyeni, Sibone ukuba umdiliya unamathupha na,
iintyantyambo zawo zibhenqekile na, Imirharnate ityatyambile na. Ndokunika apho
izincokoliso zam.

13Amathuma apha anevumba; Phezu kweminyango yethu ziziqhamo ngeziqhamo
ezimnandi kakhulu, ezitsha kwanezidala, Endiziqwebele wena, ntánda yam.

Ingoma Yazo Iingoma 8

Uthando lunamandla ngokokufa

1Akwaba ubunjengomnakwethu Obesanya amabeke kama! Bendingathi,
ndíkufumene phandle, ndikwange, Bangàndideli noko.

2Bendiya kukuqhuba, bendiya kukusa endlwini kama; Ubuya kundifundisa. Bendiya
kukuseza iwayini eqholiweyo, Nencindi yomrharnate wam.

3Isandla sayo sokhohlo besiya kuba phantsi kwentloko yam, Esokunene sayo
sindiwole.

4Zintombi zaseYerusalem, ndiyanifungisa, Ningáthini na ukuluvusa, ningáthini na
ukuluvuselela uthando, Lude luthande?

5Ngubani na lo unyuka evela entlango, Esayama intánda yakhe? Ngaphantsi
komapile lo ndákuvusa wena. Khona apha waba nenimba ngawe unyoko, Khona
apha waba nenimba owakuzalayo.

6Ndíbeke njengomsesane wokutywina entliziyweni yakho, njengomsesane
wokutywina engalweni yakho. Ngokuba uthando lunjengokufa, ukuba nengcwangu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ubukhwele bunjengelabafileyo, ukuba lukhuni; Amalangatye abo ngamalangatye omlilo, Ngamadangatye kaYehova.

7Amanzi amaninzi akanakulucima uthando; Imilambo ayinakuluntywilisela. Ingafanelana indoda irhole bonke ubuncwane bendlu yayo ngenxa yothando, Ingádelwa ideliwe.

8Sìnomsakwethu omncinane, Akakabi namabele. Siya kuthini na ngomsakwethu, Mini aganelweyo?

9Ukuba uludonga yena, Siya kwakha phezu kwalo uqoqo lwesilivere; Ukuba ungumnyango, Somrhaqa ngamaceba omsedare.

10Ndaba ludonga mna, namabele am anjengenqaba; Ndaza emehlweni ayo ndaba njengofumene uxolo.

11USolomon ubenesidiliya eBhahali-amon, Isidiliya wasinikela kubagcini, Ukuze elowo azise iwaka lesilivere ngesiqhamo saso.

12Isidiliya sam, esisesam, sona siselulawulweni lwam; Iwaka elo lelakho, Solomon; Amakhulu amabini ngawabagcini besiqhamo saso.

13Wena uhleliyo emiyezweni, Amakholwane alibazela indlebe izwi lakho, Ndívise.

14Dloba, ntánda yam, Uxelise ibhadi namankonyana amaxhama Ezintabeni zobulawu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UIsaya

UIsaya 1

Ukona kukaSirayeli nesohlwayo sako; inkonzo ebuxoki neyinyaniso

1Umbono kaIsaya unyana ka-Amotsi, awawubonayo ngokusingisele kuYuda
neYerusalem, ngemihla yoUziya, noYotam, noAhazi, noHezekiya, ookumkani
bakwaYuda.

2Yivani, mazulu; bekani indlebe, hlabathi, ngokuba kuthetha uYehova. Uthi,
Ndikhulisé abantwana ndabondla, besuka bakreqa kum.

3Inkomo iyamazi umniniyo, ne-esile liyawazi umkhombe wesitali senkosi yalo; ke
yena uSirayeli akazi, abantu bam abaqiqi.

4Hayi, luhlanga lonayo, bantu banobugwenxa, mbewu yabenza ububi, nyana
bonákalisayo! Bamshiyile uYehova, bamgibile oyiNgcwele kaSirayeli, babuyela emva.

5Yini na ukuba nimane ukubethwa, nimane ukukwandisa ukutyeka? Yonke intloko
iyafa, yonke intliziyo inobulwelwe;

6kuthabathele enkwalini yonyawo, kwesa entloko, akukho ndawo iphilileyo;
ziinduma, nemivumbo, namanxeba amatsha; akacudiswanga, akabotshwanga,
akathanjiswanga ngaoli.

7Kusenkangala elizweni lenu, imizi yenu itshiswe ngomlilo, umhlaba wenu udliwa
ngabasemzini phambi kwenu, uyinkangala njengokubhukuqwa kwabasemzini.

8Iséle ke intombi enguZiyon, njengexhobongo esidiliyeni, njengephempe entsimini
yemixoxozi, njengomzi ongqingiweyo.

9Koko uYehova wemikhosi wasisalisela intwana esindileyo, singe saba njengeSodom,
singe safana neGomora.

10Liveni ilizwi likaYehova, baphathi baseSodom; wubekeleni indlebe umyalelo
kaThixo wethu, bantu baseGomora.

11Yeyani na kum le mibingelelo yenu mininzi kangaka? utsho uYehova. Ndidikiwe
ngamadini anyukayo eenkunzi zeegusha, namanqatha amathole atyetyisiweyo;
negazi leenkunzi ezintsha, neleemvana, neleebhokhwe, andilinanzile.

12Xa niza kubonakala ebusweni bam, ngubani na okufunileyo oko esandleni senu,
ukugqusha iintendelezo zam?

13Nize ningàphindi nizise mnikelo wakudla ukhohlakeleyo; isiqhumiso silisikizi kum;
ukuthwasa kwenyanga, nesabatha, nokumema intlanganiso, ubutshinga kunye
nengqungquthela, andinakubuthwala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ukuthwasa kweenyanga zenu, namaxesha enu amisiweyo, umphefumlo wam
uwathiyile; asuka aba bubunzima kum; ndidiniwe kukuwathwala.

15Ekoluleni kwenu izandla zenu, ndiya kuwafihla amehlo am kuni; nokuba nandise
ukuthandaza, andiyi kuva; izandla zenu zizele ngamagazi.

16Zihlambeni, ziqaqambiseni; susani ububi beentlondi zenu phambi kwamehlo am;
yekani ukwenza ububi;

17fundani ukwenza okulungileyo; khathalelani ukugweba; lulekani isibhovubhovu;
gwebani ityala lenkedama; lithetheni ityala lomhlolokazi.

18Khanize sibonisane, utsho uYehova; nokuba izono zenu zide zavela zanjengengubo
ebomvu, zoba mhlophe njengekhephu; nokuba zide zayingqombela njengebala
elibomvu, zovela zinjengoboya begusha.

19Ukuba nithe navuma naphulaphula, nodla izinto ezilungileyo zelizwe;

20ukuba nithe ànavuma, naba neenkani, nodliwa likrele; kuba umlomo kaYehova
uthethile.

21Yoo! Útheni na ukuba lihenyukazi umzi lo, ubunyanisile; ubuzele kokusesikweni;
ubulungisa bebulala kuwo; ke ngoku ngabancinithi!

22Isilivere yakho isuke yaba ligwebu; iwayini yakho entle ingxengelelwe ngamanzi.

23Abathetheli bakho baziinjubaqa, ngamadlelana namasela; bathanda izicengo bonke
bephela, basukela imivuzo; ityala lenkedama abaligwebi, netyala lomhlolokazi
alinakufika kubo.

24Ngako oko itsho iNkosi, uYehova wemikhosi, imbalasane yakwaSirayeli, ukuthi,
Yeha! Ndiya kuzithuthuzela kubabandezeli bam, ndiziphindezelele ezintshabeni zam.

25Ndosibuyisela phezu kwakho isandla sam, ndikunyibilikise
ngokufezekileyo njengegolide, likhutshwe igwebu lakho, ndisuse yonke intsila yakho.

26Ndobabuyisa abagwebi bakho njengokwasekuqaleni, namaphakathi akho
njengokwamatanci. Emveni koko kuya kuthiwa, Wena ungumzi wobulungisa,
uyinqaba enyanisileyo.

27IZiyon iya kukhululwa ngokusesikweni, nabaguquki bayo ngobulungisa;

28ukwaphulwa kwabakreqi naboni kube kunye, bapheliswe abamshiyayo uYehova.

29Ngokuba baya kudana yimiterebhinti ebeniyinqwenela, nibe neentloni yimiyezo
ebeniyinyula;

30kuba niya kuba njengomterebhinti omagqabi omayo, nanjengomyezo
ongenamanzi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

31nenjengele ibe yingxubuwa, nomsebenzi wayo ube yintlantsi, kutshe kuphele kokubini kunye, kungabikho ucimayo.

UIsaya 2

IZiyon, iziko lonqulo lwehlabathi; ulawulo loxolo lwelimiweyo

1Ilizwi awalibonayo uIsaya unyana ka-Amotsi, ngokusingisele kuYuda neYerusalem.

2Ke kaloku kuya kuthi ekupheleni kwemihla, intaba yendlu kaYehova ivelele ezincotsheni zazo iintaba, izongamele iinduli, zibe ngumsinga ukuya kuyo zonke iintlanga.

3Kuya kuhamba izizwe ezininzi, zithi, Yizani, sinyuke siye entabeni kaYehova, endlwini kaThixo kaYakobi; asiyàlele iindlela zakhe, sihambe ngomendo wakhe. Kuba kuya kuphuma umyalelo eZiyon, nelizwi likaYehova eYerusalem.

4Úya kugweba phakathi kweentlanga, ohlwaye izizwe ezininzi; ziwakhande amakrele azo abe ngamakhuba, nezikhali zazo zibe zizitshetshe zeediliya; uhlanga lungaphakamiseli uhlanga ikrele, nezizwe zingaphindi zifunde ukulwa.

Isono sikaSirayeli nozuko lweNkosi

5Ndlu kaYakobi, yizani, sihambe ekukhanyeni kukaYehova.

6Kuba ùbalahlile abantu bakho, indlu kaYakobi; ngokuba bezele zizinto zasempumalanga, bengamatola njengamaFilisti, bebambene ngezandla nabantwana bezinye iintlanga.

7Ilizwe labo lizele yisilivere negolide; abunakuphela ubuncwane babo. Ilizwe labo lizele ngamahashe; azinakuphela iinqwelo zabo zokulwa.

8Ilizwe labo lizele zizithixo ezingení; baqubuda kumsebenzi wezandla zabo, kwinto eyenziwe yiminwe yabo.

9Ophantsi uyagoba, nendoda ephakamileyo ithotyelwe phantsi, ungabaxoleli ke.

10Ngena eweni, uziselele eluthulini, ngenxa yokoyika uYehova, nangenxa yozuko lobungangamsha bakhe.

11Amehlo aqwayingileyo esintu othotywa, noqhankqalazo lwamadoda lusibekeke; nguYehova yedwa owoba yingxonde ngaloo mini.

12Kuba uYehova wemikhosi unemini eyozongamela izinto zonke ezinekratshi, ezinoqhankqalazo; nezinto zonke ezizinyusileyo zithotywe nezinto zonke ezisinyusileyo zithotywe ke.

13-14Wóyongamela imisedare yonke yaseLebhanon, emide, ezinyusileyo, nezonke ezinde, neenduli zonke ezizinyusileyo;

15neenqaba zonke eziphakamileyo, neendonga zonke ezinqatyisiweyo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16neenqanawa zonke zaseTarshishe, nezinto zonke ezibonakala zinqweneleka.

17Kosibekeka ukuzidla kwaba baphantsi, kuthotywe ukuqhankqalaza kwamadoda aphakamileyo. NguYehova yedwa owoba yingxonde ngaloo mini;

18izithixo ezingení zothi shwaka zonke ziphela.

19Bongena emiqolombeni yamawa nasemingxunyeni yomhlaba ngenxa yokoyika uYehova, nangenxa yozuko lobungangamsha bakhe, ekuphakameni kwakhe ukuba angcangcazelise ilizwe.

20Ngaloo mini umntu uya kuziphosa ezintukwini nasemalulwaneni izithixo zakhe ezingení zesilivere, nezithixo zakhe ezingení zegolide, abamenzeláyo ukuze aqubude kuzo;

21ukuze angene ezimfanteni zamawa nasemiqhokrweni yeengxondorha, ngenxa yokoyika uYehova, nangenxa yozuko lobungangamsha bakhe, ekuphakameni kwakhe ukuba angcangcazelise ilizwe.

22Khanimyeke umntu omphefumlo usemathatheni akhe; ngokuba kuthiwa, Úyintoni na?

Ulsaya 3

KwaYuda akukho mlawuli

1Ngokuba ùyabona, iNkosi, uYehova wemikhosi, isusa eYerusalem nakwaYuda isixhaso nenkxaso, sonke isixhaso sesonka kwanesixhaso samanzi:

2igorha nendoda yokulwa, umgwebi nomprofeti, umvumisi nendoda enkulu,

3umthetheli wamashumi amahlanu, nobekekileyo, nomphakathi, nesilumko esinobungcibi, nengqondi yokukhwitsa.

4Ndobanika abathetheli abangabantwana, nabafekethi babalawule;

5bakhandanisane abantu ulowo nalowo, ulowo nalowa. Baya kusunduzana umntwana nendoda enkulu, ubuvuvu nabazukileyo.

6Xa umntu aya kuthi abambelele kumzalwana wakhe endlwini kayise, athi, Unengubo wena, masiphathwe nguwe, oku kukhahleleka kube sesandleni sakho:

7wóphimisela ngaloo mini athi, Andingebi mphilisi, endlwini yam kungekho sonka, kungekho ngubo; aninakundenza umphathi wabantu.

8Ngokuba ikhahlelekile iYerusalem, awile amaYuda; ngokuba iilwimi zabo neentlondi zabo zichase uYehova, ukuba bawaphikise amehlo obuqaqawuli bakhe.

9Imbonakalo yobuso babo iyangqina ngabo, bayazixela izono zabo njengeSodom, àbakhanyeli. Yeha umphefumlo wabo, ngokuba beziphethe kakubi kwabona!

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Yithi kumalungisa, kuya kulunga kuwo; ngokuba isiqhamo sezenzo zawo aya kusidla.

11Yeha ongendawo! Kuya kuba kubi kuye; ngokuba ukuphatha kwezandla zakhe kuya kwenziwa kuye.

12Abantu bam bakhandaniswa ngabantwana, balawulwa ngabafazi. Bantu bam, abakhokeli benu ngabandwendwisi, bayigqukile indlela yomendo wenu.

13Úsukile wema uYehova ukuba athethe ityala; umi ukuba agwebe ebantwini.

14UYehova uya kungena ematyaleni namadoda amakhulu abantu bakhe, nabathetheli babo; esithi, Ke nina nisigqibile isidiliya; okuphangwe kusizana kusezindlwini zenu.

15Ninani na, ukuba nibatyumze nje abantu bam, nibusìle ubuso beentsizana? itsho iNkosi, uYehova wemikhosi.

Amahombakazi aseYerusalem nokuya kuwahlela

16Kananjalo uthi ke uYehova, Ngenxa enokuba zizidla iintombi zaseZiyon, zihamba zolule iintamo, zitshawula ngamehlo, zihamba zicothoza ukuhamba kwazo, zisenza isigampe esisezinyaweni zazo:

17ngako oko iNkosi yolujadula ukakayi lweentombi zaseZiyon, uYehova azihlube ubunkazana bazo.

18Ngaloo mini iNkosi yozisusa izihombo zemixokelelwane, nesangqawe, nentsimbi yomqala,

19namajikazi, neewatsha, nezigqubuthelo,

20neembasa, neenxaxhazo, neenqwemesha, namahlala okujoja, namakhubalo,

21nemisesane, namakhonkco empumlo,

22nezambatho ezinqabileyo, neengubo zokwaleka ezingaphezulu, neetyali, neengxowa zemali,

23nezipili, neeqhiya zelinen entle, neenkontsho, neengubo zokwaleka ezikrelekrele.

24Kothi esikhundleni sobulawu ibe kukuvunda, esikhundleni sombhinqo ibe yintambo; esikhundleni seempothe ibe yimpempethe, esikhundleni sengubo engwabungwabu ibe sisikhaka esirhwexayo; ibe ngumtshiso esikhundleni sobunzwakazi.

25Amadoda akho aya kuwa likrele, namagorha akho yimfazwe;

26ancwine enze isijwili amasango ayo, ithi yona ikhutshululwe, ihlale phantsi emhlabeni.

Ulsaya 4

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ubuqaqawuli beZiyon

1Abafazi abasixhenxe bobambelela ndodeni-nye ngaloo mini, besithi, Sodla esethu
isonka, sambathe ezethu iingubo; kodwa masibizwe ngegama lakho, úkususe
ukungcikiveka kwethu.

2Ngaloo mini isithole sikaYehova siya kuba yinto enobukhazikhazi enobuqaqawuli,
isiqhamo selizwe sibe yingangamsha nesihombo kwabasindileyo bakwaSirayeli.

3Wothi oshiyekileyo eZiyon, noseleyo eYerusalem, kuthiwe úngcwele, bonke
ababhalelwe ebomini eYerusalem;

4yakuba ithe iNkosi yakuhlamba ukungcola kweentombi zaseZiyon, yawahlanza
amagazi aseYerusalem phakathi kwayo ngomoya ogwebayo, nangomoya olulophu.

5Wodala ke uYehova phezu kweendawo zonke zeentaba zeZiyon, naphezu
kweentlanganiso zayo, ilifu elingumsi emini, nokudangazela komlilo ebusuku. Kuba
phezu kobuqaqawuli obo bonke, kuya kubakho isigubungelo;

6sibe ngumnquba ongumthunzi emini, ekubaleleni, sibe yindawo yokuzímela
nokusithela esiphangweni nasemvuleni.

UIsaya 5

Umzekeliso wesidiliya esiphuthileyo

1Intánda yam makhe ndiyivumele ingoma yentánda yam, ngesidiliya sayo. Intánda
yam ibé inesidiliya endulini echumayo;

2yasigaba, yawemba amatye, yasityala imidiliya yohlobo, yákha inyango phakathi
kwaso, yaxhola kuso umkhombe wokukhongozela iwayini. Yalinda ukuba sivelise
iidiliya ezizizo; ke sona savelisa iidiliya ezingezizo.

3Kaloku ke, bemi baseYerusalem, nani madoda akwaYuda, khanahlule phakathi
kwam nesidiliya sam.

4Kube kusekho ntoni na eyenziwayo esidiliyeni sam, endingayenzanga ke kuso? Kube
kusekho ntoni na eyenziwayo esidiliyeni sam, endingayenzanga ke kuso? Kube
kungani na ukuba ndikulinde ukuba sivelise iidiliya ezizizo, sisuke sivelise ezingezizo?

5Kaloku ke makhe ndinazise into endiya kusenza yona isidiliya sam. Ndiza kususa
uthango lwaso, sibe lidlelo; ndiya kuluchitha udonga lwaso, sibe yingqushu; ndisijece
kuphele.

6Asiyi kuthenwa, asiyi kuhlakulwa; siya kumila ubobo namakhakakhaka; ndiwawisele
umthetho amafu, ukuba angani mvula phezu kwaso.

7Kuba isidiliya sikaYehova wemikhosi yindlu kaSirayeli; namadoda akwaYuda sisityalo
sokumyolisa. Walinda ukuba kubekho okusesikweni, nanku ikukudywida; walinda
ukuba kubekho ubulungisa, nanko ikukukhalisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukukhalinyelwa kweendidi zaboni

8Yeha, abahlomela indlu kwindlu, abasondeza intsimi kwintsimi, kude kungabikho
ndawo, nihlale nedwa phakathi kwelizwe!

9Ezindlebeni zam uthi uYehova wemikhosi, Inyaniso, izindlu ezininzi ziya kuba
ngamanxuwa, ezinkulu, ezintle zingabi namhlàli.

10Kuba ishumi leendima zesidiliya liya kwenza ibhate ibe nye, nehomere yembewu
yenze iefa yodwa.

11Yeha, abavuka kusasa, besukela isiselo esinxilisayo; balibale kude kube lungcwalazi,
ide ibatshise iwayini!

12Ibe luhadi nomrhubhe, ingqongqo nogwali, newayini, emgidini wabo; ke wona
umsebenzi kaYehova abawubeki, nezenzo zezandla zakhe abaziboni.

13Ngako oko abantu bam bayafuduswa bengazi, nabazukileyo kubo baba ngabafo
bendlala, ingxokolo yabo itshiswa linxano.

14Ngako oko elabafileyo lizandisile, lakhamé ngokungenamlinganiso; buhlile
ubungangamela babo, nengxokozelo yabo, nengxolo yabo, nabadlamkileyo kubo.

15Bayasibekeka abantu abaphantsi, athotywe amadoda aphakamileyo, athotywe
amehlo abazidlayo;

16ke yena uYehova wemikhosi uyaziphakamisa ngogwebo, azingcwalise uThixo
oyiNgcwele ngobulungisa.

17Kodla iimvana apho, kunge kusedlelweni lazo; abasemathanga badlise emanxuweni
ezityebi.

18Yeha, abatsala ubugwenxa ngeentambo zenkohlakalo, nesono bange basitsala
ngomqokozo wenqwelo;

19ábathi, Makasingxamise asikhawulezise isenzo sakhe, ukuze sibone; malisondele
lize icebo loyiNgcwele kaSirayeli, ukuze sazi!

20Yeha, abathi okubi kulungile, okulungileyo kubi; abamisa ubumnyama endaweni
yokukhanya, ukukhanya endaweni yobumnyama; abamisa ubukrakra endaweni
yobumnandi, ubumnandi endaweni yobukrakra!

21Yeha, abalumkileyo kwawabo amehlo, abanengqondo kokwabo ukubona!

22Yeha, abangamagorha okusela iwayini; abangamadoda akrotele ukuphithikeza
isiselo esinxilisayo; ábagwebela abangendawo, besekeleze isicengo;

23ubulungisa bamalungisa babùsuse kuwo!

24Ngako oko, njengokuba ulwimi lomlilo luzidla iindiza, nesikhotha esomileyo sibohla
edangatyeni: kwangokunjalo ingcambu yabo iya kuba njengento evundileyo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

nentyantyambo yabo inyuke njengothuli; kuba besilahlile isiyalo sikaYehova wemikhosi, bayigiba intetho yoyiNgcwele kaSirayeli.

Isohlwayo esivela eNkosini

25Ngenxa yoko uyavutha umsindo kaYehova kubantu bakhe; úsolule phezu kwabo isandla sakhe, uyababetha; zagungqa iintaba, izidumbu zabo zanjengenkunkuma phakathi kwezitrato. Kuko konke oko, àwubuyi umsindo wakhe, isandla sakhe sísolukile.

26Úzinyusela ibhanile iintlanga zakude, azenzele ikhwelo eziphelweni zehlabathi; nanzo zisiza zikhawuleza ngamendu.

27Akukho utyhafileyo, akukho ukhubekayo kuzo; azozeli, azilali, umbhinqo wamanqe azo awuthukululeki, umtya weembadada zazo awuqhawuki.

28Iintolo zazo zitsolile, nezaphetha zazo zonke zityediwe; amanqina amahashe azo kuthiwa anjengeqhwitha, neevili zazo zinjengesaqhwithi. Ukubharhula kwazo kunjengengonyamakazi;

29zibharhula njengeengonyama ezintsha, zigqume, ziyibambe inyamakazi, zimke nayo, kungabikho uhlangulayo.

30Zogquma phezu kwabo ngaloo mini, ngathi kukugquma kolwandle; babheke emhlabeni, nanko kumnyama yimbandezelo, nokukhanya kumnyama emafini phezu kwabo.

UIsaya 6

Ukubizwa komprofeti

1Ngomnyaka wokufa kokumkani u-Uziya, ndayibona iNkosi ihleli etroneni ende enyukileyo; amasondo eengubo zayo ezirholayo azalisa itempile.

2Kumi iiserafi ngaphezu kwayo, iyileyo inamaphiko amathandathu, ngamabini ifihle ubuso bayo, ngamabini ifihle iinyawo zayo, ngamabini iphaphazela.

3Iyileyo indanduluke kuleyo isithi. Úyingcwele, ùyingcwele, ùyingcwele uYehova wemikhosi; buzalise ihlabathi lonke ubuqaqawuli bakhe.

4Yadidizela imigubasi yeminyango lilizwi lowadandulukayo; yaye indlu izele ngumsi.

5Ndathi, Athi ke mna! Ngokuba ndithe shwaka, ngokuba ndiyindoda emlomo uyinqambi; ndihleli phakathi kwabantu abamilomo iyinqambi; ngokuba amehlo am aboné ukumkani, uYehova wemikhosi.

6Yaphaphazela yeza kum enye yeeserafi, iphethe ilahle elivuthayo, elithabathe ngesithabatho esibingelelweni;

7Yalifikisa emlonyeni wam, yathi, Yabona, eli lahle lifikile nje emlonyeni wakho, bususiwe ubugwenxa bakho, nesono sakho sicanyagushelwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ndeva izwi leNkosi, lisithi, Ndothuma bani na? Ngubani na owosiyèla?

9Ndathi, Ndikho, thuma mna. Yathi, Yiya, uthi kubo aba bantu, Yivani, ukuva oku niya kuva, ningaqondi; qiqani, ukubona oku niya kubona, ningaqiqi.

10Yityebise intliziyo yaba bantu, neendlebe zabo zénze zithi nkqi, namehlo abo uwavingce; hleze babone ngamehlo abo, beve ngeendlebe zabo, baqonde ngentliziyo yabo, babuye, baze baphiliswe.

11Ndathi, Kube mzuzu ungakanani na, Nkosi? Yathi, Kude kuye kuchithwa imizi, ingabi nabemi, nezindlu zingabi namntu, utshabalale umhlaba kube senkangala;

12uYehova amse kude umntu, abe maninzi amanxuwa phakathi kwelizwe.

13Kuya kuthi, ukuba kusekho isahlulo seshumi khona, sibuye naso sibe yinto yokutshayelwa; njengomterebhinti nanjengomoki, othi ekuwisweni kwawo kushiyeke isiphunzi; yimbewu engcwele ke isiphunzi eso.

UIsaya 7

UAram noSirayeli bahlanganela uYuda

1Ke kaloku kwathi, ngemihla ka-Ahazi unyana kaYotam, unyana kaUziya, ukumkani wakwaYuda, wenyuka uRetsin ukumkani wama-Aram, enoPeka unyana kaRemaliya, ukumkani wakwaSirayeli, weza eYerusalem, ukuba alwe nayo; akaba nako ke ukulwa nayo.

2Kwaxelwa kwindlu kaDavide, kwathiwa, Ama-Aram athelele kwabelakwaEfrayim. Yadidizela intliziyo yakhe nentliziyo yabantu bakhe, njengokudidizela kwemithi yehlathi phambi komoya.

3Wathi uYehova kuIsaya, Khawuphume uye umkhawulele uAhazi, wena noMasalela-obuya unyana wakho, ekupheleni komjelo wechibi lasentla, emendweni ongasentsimini yomxovuli weengubo;

4uthi kuye, Gcinisa, uzole, ungoyiki, ingathambi intliziyo yakho ngenxa yezo zikhondo zibini zezikhuni eziqhumayo, ekuvutheni komsindo kaRetsin nama-Aram, nonyana kaRemaliya;

5ngenxa enokuba ama-Aram namaEfrayim nonyana kaRemaliya becebile ububi ngawe, besithi,

6Masinyuke siye kwelakwaYuda, silikruqule, silinqike libe lelethu, simise ukumkani phakathi kwalo, unyana kaTabhele;

7itsho iNkosi uYehova, ukuthi, Loo nto ayiyi kuma, ayiyi kubakho.

8Ngokuba intloko yama-Aram yiDamasko, intloko yeDamasko nguRetsin; kuya kuthi iseyiminyaka emashumi mathandathu anamihlanu, aqotywe amaEfrayim, angabi bantu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Intloko yamaEfrayim kukwaSamari, intloko yakwaSamari ngunyana kaRemaliya. Ukuba nithe anakholwa, inene, aniyi kuqiniseka.

Umqondiso ngoImanuweli

10Waqokela uYehova, wathetha kuAhazi, esithi,

11Zicelele umqondiso kuYehova uThixo wakho; cela ubhekise enzulwini kwelabafileyo, mhlawumbi ubhekise enyangweni phezulu.

12Wathi uAhazi, Andiyi kucela, andiyi kumlinga uYehova.

13Wathi yena, Khanive, ndlu kaDavide; kuyinto encinane na kuni ukudinisa abantu, ukuda oku nidinise noThixo wam?

14Ngako oko iya kuninika umqondiso ngokwayo iNkosi: uyabona, intombi le iya kumitha, izale unyana, imthiye igama elinguImanuweli.

15Uya kudla amasi nobusi, ade akwazi ukulahla okubi, anyule okulungileyo.

16Kuba, engekakwazi umntwana lowo ukulahla okubi, anyule okulungileyo, wóba selushiyiwe loo mhlaba, úkumkani bawo babini bakukruqúlayo.

Ukuphanziswa kukaYuda

17UYehova uya kukuzisela wena nabantu bakho, nendlu kayihlo, imihla ekungazanga kubekho ingangayo, kususela kwimini wemka ngayo uEfrayim kwaYuda; ngukumkani waseAsiriya ke lowo.

18Kothi ngaloo mini uYehova ayenzele ikhwelo impukane esekupheleni kwemijelo yoMnayile waseYiputa, nenyosi esezweni laseAsiriya;

19zize, ziphumle zonke ziphela ezihlanjeni eziphakathi kwamaxandeka, nasezimfanteni zeengxondorha, nasezintangweni zonke zemiqaqoba, nasemadlelweni onke.

20Ngaloo mini iNkosi iya kuguya ngesitshetshe esiqeshiweyo selasezinxwemeni zoMlambo, ngokumkani waseAsiriya, intloko noboya beenyawo; siphephethe neendevu.

21Kothi ngaloo mini umntu aphilise ithokazi lenkomo neemazi zezimvu zibe mbini;

22kuthi ngokwehlisa kwazo kakhulu adle amasi; ngokuba baya kudla amasi nobusi bonke abo baseleyo phakathi kwelizwe.

23Kothi ngaloo mini zonke iindawo ezazinewaka lemidiliya elimelwe liwaka leesilivere, zibe zezobobo namakhakakhaka.

24Kuya kuyiwa khona neentolo nezaphetha; ngokuba lonke ilizwe liya kuba lubobo namakhakakhaka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Zonke iintaba ebezigatywa ngamagaba, akuyi kuya kuzo, ngokoyika ubobo namakhakakhaka; loba lelokugxothela iinkomo, nokunyashwa ziigusha.

UIsaya 8

Umqondiso ngoMaxhoba-ayakhawulezaiinto-eziphangiweyo-zingxamile

1Wathi uYehova kum, Thabatha icwecwe elikhulu, ubhale kulo ngenkxola yabantu, uthi, NgoMaxhoba-ayakhawuleza-iinto-eziphangiweyo-zingxamile,

2Ndathabathela amangqina anyanisileyo, ooUriya umbingeleli, noZekariya unyana kaYebherekiya.

3Ndasondela kumprofetikazi, wamitha, wazala unyana. Wathi uYehova kum, Yithi igama lakhe nguMaxhoba-ayakhawuleza-iinto-eziphangiweyo-zingxamile.

4Ngokuba, engekakwazi umntwana lo ukuthi, Bawo, nokuthi, Ma, ubutyebi baseDamasko namaxhoba akwaSamari aya kuthwalelwa phambi kokumkani waseAsiriya.

INkosi neentshaba zikaYuda

5Waqokela uYehova, wabuya wathetha kum, esithi,

6Ngenxa enokuba abo bantu bewacekisa amanzi aseShilowa, la ahamba kuhle, benze imihlali noRetsin nonyana kaRemaliya:

7ngako oko, yabona, iNkosi inyusela phezu kwakho amanzi oMlambo, lawo anamandla amakhulu, kwaukumkani waseAsiriya nobunzima bakhe bonke. Wónyuka wona ube ngaphezu kwemisele yawo yonke, uhambe ngaphandle kweendonga zawo zonke,

8utyhudisele kwelakwaYuda, ukhukule, udlule, ubethe emqaleni; kuthi ukunaba kwamahlelo awo kuzalise ububanzi belizwe lakho, Imanuweli.

9Bhavumani, zizwe, niqotywe; bekani indlebe, nonke mimandla ikude yehlabathi; bhinqani, niqotywe; bhinqani, niqotywe.

10Cebani icebo, lotshitsha; thethani ilizwi, aliyi kuma; ngokuba uThixo unathi.

11Kuba utshilo uYehova kum, eseyisa ngamandla, endithethisa ukuba ndingahambi ngendlela yabo bantu, ukuthi,

12Ize ningàthi, Ikukucetywa into yonke abathi abo bantu, Ikukucetywa; nento eyoyikwa ngabo ningayoyiki, ningangcangcazeliswa yiyo.

13UYehova wemikhosi, ngcwalisani yena nina, abe nguye enimoyikayo, abe nguye oningcangcazelisayo.

14Woba yingcwele kuni; ke yena uya kuba lilitye lokubetheka, neliwa lokukhubeka, kuzo zombini izindlu zakwaSirayeli, abe sisibatha nomgibe kubemi baseYerusalem.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Abaninzi kubo baya kukhubeka apho, bawe, baphuke, barhintyeleke, babanjiswe.

16Bopha isingqino, tywina uqinise isiyalo kubafundi bam.

17Ndiya kulindela kuYehova, lo ubusithelisayo ubuso bakhe kwindlu kaYakobi, ndithembele kuye.

18Yabona, mna nabantwana andinikileyo uYehova, singabemiqondiso nezimanga kwaSirayeli, ezivela kuYehova wemikhosi, ulohlala entabeni yaseZiyon.

19Xa bathe kuni, Quqelani kwabanesholog u nakoosiyazi, abalozayo, abadumzelayo, yithini, Abantu mabangaquqeli kuThixo wabo, yini na? Ngenxa yabaphilileyo mabaquqele kwabafileyo na?

20Bhekani esiyalweni, esingqinweni! Ukuba bathe àbathetha ngokwelo lizwi, boba abanasifingo.

21Baya kucanda kulo ilizwe begogotyelwe, belambile; kuthi ke, xa bathe balamba, babe noburhalarhume, batshabhise ukumkani wabo noThixo wabo, babheke phezulu;

22babheke emhlabeni, nanko kuyimbandezelo nobumnyama, bethiwe ncithi yingcutheko, begxothelwe esithokothokweni.

UIsaya 9

UMhlanguli kaSirayeli

1Ngokuba akuyi kuhlala kuthe ncithi kwelinengcutheko. Ngexesha lokuqala walicukuceza ilizwe lakwaZebhulon nelizwe lakwaNafetali; ngelakamva uya kuyizukisa indlela yaselwandle, phesheya kweYordan, ummandla weentlanga.

2Abantu abo bàhamba emnyameni baboné ukukhanya okukhulu; abemi basezweni lethunzi lokufa, ukukhanya kubengezéle phezu kwabo.

3Ùyalwandisa uhlanga, ulukhulisela uvuyo; bayavuya phambi kwakho, njengokuvuya kwexa lokuvuna, njengokuvuyelela kwabo ekwabeni kwabo amaxhoba.

4Kuba idyokhwe yomthwalo wabo noswazi lwamagxa abo, intonga yomqhubi wabo, ùyaphule njengemini yakwaMidiyan.

5Ngokuba zonke izihlangu zabanyathela ngezihlangu ekungxoleni kokulwa, neengubo ezityikitywe emagazini, ezo ziya kutshiswa, zibe kukudla komlilo.

6Ngokuba sizalélwe umntwana, sinikwé unyana; ukuthethela kusesixhantini sakhe; igama lakhe kuthiwa nguMmangaliso, nguMcebisi, nguThixo oligorha, nguSonini-nanini, nguMthetheli woxolo,

7ukuba kwande ukuthethela oko, kubekho uxolo olungenakuphela etroneni kaDavide, nasebukumkanini bakhe, ukuba bumìswe buxhàswe ngokusesikweni

© 1975 Bible Society of South Africa.

nangobulungisa, kususela koko kude kuse ephakadeni. Ikhwele likaYehova wemikhosi liya kukwenza oko.

Imigwebo yeNkosi ngoSirayeli

8INkosi ithumela ilizwi kwaYakobi, liwa ke kwaSirayeli.

9Bonke ke abantu bephela baya kwazi, amaEfrayim nabemi belakwaSamari: ábathi ngekratshi nangobukhulu bentliziyo,

10Izitena ziwile, siya kwakha ngamatye aqingqiweyo; imithombe ixakaxiwe, siya kuyimisela ngemisedare.

11UYehova ubaphakamisile ababandezeli bakaRetsin phezu kwakhe, uzixhoxhile iintshaba zakhe.

12Ama-Aram ngasempumalanga, namaFilisti ngasentshonalanga, awadlile amaSirayeli ngomlomo wonke. Kuko konke oko, awubuyi umsindo wakhe; isandla sakhe sisolukile.

13Aba bantu ke àbabuyeli kulowo ubabethileyo; àbamngxamele uYehova wemikhosi.

14Ngoko ke usuke uYehova wanqumla kuSirayeli intloko nomsila, isebe lomthi wesundu nomzí, ngamininye.

15Amadoda amakhulu nabafo ababekekileyo, yintloko ke leyo; abaprofeti abayala ngobuxoki, ngumsila ke lowo.

16Abakhokeli baba bantu basuke baba ngaba bandwendwisayo, nabakhokelwa ngabo basuke baba ngabaginyiweyo.

17Ngenxa yoko iNkosi ayiyi kuvuya ngamadodana abo, ingabi namfesane ngeenkedama zabo nabahlolokazi babo; ngokuba bonke bephela baziintshembenxa, nabenzi bobubi; yonke imilomo ithetha ngobudenge. Kuko konke oko, awubuyi umsindo wakhe; isandla sakhe sisolukile.

18Kuba okungendawo kutsha njengomlilo, kudla ubobo namakhakakhaka, kufaka isikhuni ezintshinyeleni zehlathi, kunyuka njengomqulu womsi.

19Ngokuphuphuma komsindo kaYehova wemikhosi ilizwe liyatsha; abantu banjengokudla komlilo; umntu akamcongi umzalwana wakhe.

20Basika ngasekunene, balambe noko; badle ngasekhohlo, bangahluthi noko; umntu adle inyama yengalo yakhe;

21uManase adle uEfrayim, uEfrayim adle uManase; bona bachasane noYuda. Kuko konke oko, awubuyi umsindo wakhe; sisolukile isandla sakhe.

UIsaya 10

Ukuqhayisa kweAsiriya nokohlwaywa kwayo

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]Yeha, abamisi bemimiselo yobutshinga, ababhali ababhala uxhamlo;

[2]ukuze bazisunduze izisweli, zingafiki ematyaleni, bazihluthe ibango lazo iintsizana zabantu bam, ukuba abahlolokazi babe lixhoba labo, baphange iinkedama!

[3]Niya kuthini na ke ngemini yovelelo, nasesithongeni esivela kude? Niya kusabela kubani na ukuba anincede, nilushiye phi na uzuko lwenu?

[4]Akukho kumbi, sekukukuguqa phakathi kwabakhonkwixeyo, bawe phakathi kwababuleweyo. Kuko konke oko, awubuyi umsindo wakhe, sisolukile isandla sakhe.

[5]Yeha, uAsiriya, ntonga yomsindo wam; luswazi olusesandleni sabo ukubhavuma kwam!

[6]Ndiya kumthumela kuhlanga oluyintshembenxa, ndimwisele umthetho ngabantu bokuphuphuma komsindo wam, ukuba athimbe amaxhoba, aphange okuphangiweyo, abenze into yokunyathelwa njengodaka lwezitrato.

[7]Ke yena akabi kunjalo; intliziyo yakhe ayiyicingi loo nto; ngokuba okusentliziyweni yakhe kukutshabalalisa nokunqumla iintlanga ezingembalwa.

[8]Kuba úthi, Abathetheli bam asingookumkani bonke na? IKaleno ayinjengeKarkemishe na,

[9]iHamati ayinjengeArpadi na, owakwaSamari awunjengeDamasko na?

[10]Njengokuba isandla sam sazifumanayo izikumkani zezithixo ezingení; ukanti imifanekiso yazo eqingqiweyo ingaphezulu kweyaseYerusalem neyakwaSamari:

[11]andiyi kuthi na, njengoko ndenza ngako kowakwaSamari nezithixo zawo ezingení, ndenjenjalo kwiYerusalem nezithixo zayo?

[12]Kuya kuthi, xa ithe iNkosi yazifeza izenzo zayo zonke entabeni yaseZiyon naseYerusalem, ndizivelele iziqhamo zobukhulu bentliziyo yokumkani waseAsiriya, nokuqhayisa ngokuqwayinga kwamehlo akhe.

[13]Kuba úthe, Ndenzé ngamandla esandla sam nangobulumko bam; ngokuba ndinengqondo, ndayishenxisa imida yezizwe, ndaziphanga iimpahla zazo, ndabahlisa njengenkunzi eyimbalasane abahleli ezitroneni;

[14]isandla sam sabufumana ubutyebi bezizwe njengendlu yentaka, ndalibutha mna lonke ihlabathi, njengokubutha amaqanda; akwabakho nanye ishukumisa iphiko, neyakhamayo, netswinayo.

[15]Izembe lingámqhayisela na ogawula ngalo? isarha ingázikhulisa na ngaphezu koyitsalayo? ngathi intonga ingábajingisa abaphakamisi bayo, ngathi uswazi lungámphakamisa ongenguwo umthi!

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ngako oko iNkosi, iNkosi yemikhosi, iya kubathumela ukungcumbeka kwabatyebileyo bakhe, nangaphantsi kobuqaqawuli baseAsiriya kutshe ukutsha, njengokutsha komlilo.

17Ukhanyiso lukaSirayeli luya kuba ngumlilo, oyiNgcwele wakhe abe lilangatye, litshise lidle amakhakakhaka akhe nobobo lwakhe ngamini-nye.

18Uya kubuphelisa ubuqaqawuli behlathi lakhe, nobentsimi yakhe echumayo, ethabathela emphefumlweni ase enyameni, kube njengokungcungcutheka komntu ofayo;

19abe mbalwa amasalela emithi yehlathi lakhe, ibhalwe nangumntwana.

20Kuya kuthi ngaloo mini, angabi saphinda amasalela akwaSirayeli, nabasindileyo bendlu kaYakobi, bayame ngobabethayo; baya kwayama ngoYehova oyiNgcwele kaSirayeli, benyanisile.

21Amasalela aya kubuya, amasalela akwaYakobi, eze kuThixo oligorha.

22Kuba nangona bathe baba ngangentlabathi yaselwandle abantu bakho, Sirayeli, kobuya amasalela odwa kubo; ukupheliswa kumisiwe kwagqitywa, kukhukula ubulungisa.

23Ngokuba iNkosi uYehova wemikhosi iza kwenza phakathi kwehlabathi lonke impeliso, iyemisiweyo ke yagqitywa.

24Ngako oko, itsho iNkosi, uYehova wemikhosi, ukuthi, Musani ukumoyika uAsiriya, bantu bam bahleliyo eZiyon, akunibetha ngentonga, aniphakamisele uswazi lwakhe ngohlobo lwamaYiputa.

25Kuba kusaya kuba mzuzwana mncinane, kuphele ukubhavuma kwam, nomsindo wam uye kumonakalisa;

26ajiwule phezu kwakhe uYehova wemikhosi iziniya, njengoko wabetha amaMidiyan eweni likaOrebhe; intonga yakhe ibe phezu kolwandle, ayiphakamise ngohlobo lwamaYiputa.

27Kuya kuthi ngaloo mini, usuke umthwalo wakhe esixhantini sakho, nedyokhwe yakhe entanyeni yakho, idyokhwe yonakale kukutyeba.

28Úfikile eAyati, ucandé eMigron, uyibeke eMikimashe impahla yakhe.

29Baqabéle enkalweni, bathi, Masilalise eGebha. Iyagubha iRama, isabile iGibheha yakwaSawule.

30Khala ngezwi lakho, ntombi yaseGalim! Baza iindlebe, Layisha! Uha, Anatoti!

31IMadema ibalekile; abemi baseGebhim bazisabisile iintsapho zabo.

32Umisa eNobhe kwanamhlanje, ulingisa ngesandla sakhe entabeni yentombi enguZiyon, endulini yaseYerusalem.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Yabona, iNkosi uYehova wemikhosi, iyawathi tyhobotyhobo amahlamvu ngokungcangcazelisayo, namade aphezulu axakaxwe, naphakamileyo athotywe;

34ihlàhla neentshinyela zehlathi ngesixengxe, iwiswe iLebhanon ngonamandla.

UIsaya 11

Ukuxhotyiswa kukaMesiya nguThixo

1Kophuma igatya esiphunzini sikaYese, kuqhame ihlumelo ezingcanjini zakhe;

2ahle ahlale phezu kwalo uMoya kaYehova, umoya wobulumko nowengqondo, umoya wecebo nowobugorha, umoya wokwazi nowokoyika uYehova.

3Ivumba elithozamisayo kuye likukoyika uYehova, angagwebi ngokokubona kwamehlo akhe, angohlwayi ngokokuva kweendlebe zakhe.

4Uya kuligweba ityala lezisweli ngobulungisa, abalungiselele abalulamileyo behlabathi ngokuthe tye, alibethe ihlabathi ngentonga yomlomo wakhe, ambulale ongendawo ngomoya wemilebe yomlomo wakhe.

5Yoba bubulungisa iqamesi lesinqe sakhe, ibe yintembeko iqamesi lamanqe akhe.

6Ingcuka iya kuhlala nemvana, ingwe ibuthe netakane lebhokhwe; kubuthe ndawonye ithole lenkomo, nengonyama entsha, nenkomo etyetyisiweyo; nomntwana aziqhube ezo zinto.

7Ithokazi lenkomo nemazi yebhere ziya kudla utyani ndawonye, amankonyana azo abuthe ndaweni-nye; ingonyama idle umququ njengenkomo;

8adlale umntwana owanyayo emngxunyeni wephimpi, olunyulweyo ase isandla sakhe elukhozweni lweliso lerhamba.

9Ezo zinto aziyi kwenza bubi, aziyi konakalisa ezintabeni zam zonke ezingcwele; ngokuba ilizwe liya kuzala kukwazi uYehova, njengamanzi egubungele ulwandle.

Ukubuya noloyiso kweentsali zakwaSirayeli nezakwaYuda

10Kuya kuthi ngaloo mini, ihlumelo likaYese, elimelé ukuba yibhanile yezizwe, iintlanga ziquqele kulo; nendafo yokuphumla kwalo ibe bubuqaqawuli.

11Kuya kuthi ngaloo mini, iNkosi isiphindise okwesibini isandla sayo sokuwathenga siwakhulule amasalela abantu bayo, aya kusala eAsiriya, naseYiputa, nasePatros, nakwaKushi, nakwaElam, naseShinare, naseHamati, naseziqithini zolwandle;

12izinyùsele ibhanile iintlanga, ibahlanganise abagxothiweyo bakwaSirayeli, izibuthe iintsali zakwaYuda emasondweni omané ehlabathi.

13Losuka ikhwele likaEfrayim, banqunyulwe ababandezeli bakaYuda. UEfrayim akayi kumkhweletela uYuda, uYuda angambandezeli uEfrayim.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Bophaphazela egxalabeni lamaFilisti, babheke ngasentshonalanga. Baya kudibana
baphange oonyana basempumalanga, base isandla kooEdom noMowabhi; oonyana
baka-Amon babeve.

15UYehova wosisingela phantsi isibhaxa solwandle lwaseYiputa, alingise ngesandla
sakhe kuwo uMlambo ekuvutheni komoya wakhe, awubethe ube yimilanjana
esixhenxe, abaweze beneembadada.

16Kuya kubakho umendo wamasalela abantu bakhe, abaya kusala eAsiriya, njengoko
kwaba njalo kumaSirayeli, mini anyuka ephuma ezweni leYiputa.

UIsaya 12

Iingoma zombulelo

1Ùya kuthi wena ngaloo mini, Ndiyabulela kuwe, Yehova, ngokokuba
ubundiqumbele, waza wabuya umsindo wakho, wandithuthuzela wena.

2Yabona, uThixo ukukusindiswa kwam; ndikholosile, andikwantyi; ngokokuba
iqhayiya lam nengoma yam nguYa, nguYehova obuye waba lusindiso kum.

3Ngoko ke niya kukha amanzi ninemihlali emithonjeni yosindiso;

4nithi ngaloo mini, Bulelani kuYehova, nqulani igama lakhe, zaziseni ezizweni izenzo
zakhe, izenzo zakhe ezincamisayo; likhankanyeni igama lakhe ukuba liyingxonde.

5Mbetheleni uhadi uYehova; ngokuba enzé ngobungangamsha; makwazeke oko
ehlabathini lonke.

6Tsholoza umemelele, wena mmi waseZiyon; ngokuba mkhulu phakathi kwakho
oyiNgcwele kaSirayeli.

UIsaya 13

Ukubhukuqwa kweBhabheli ngamaMedi

1Isihlabo esisingisele kwiBhabheli, awasibonayo uIsaya, unyana ka-Amotsi.

2Nyusani ibhanile phezu kwentaba eluqayi, baphakamiseleni ilizwi; khobani
ngesandla, bangene emasangweni amanene.

3Mna ndibawísele umthetho abangcwalisiweyo bam, ndiwabizele umsindo wam
amagorha am, abadlamkileyo bam abanekratshi.

4Yiveni ingxokolo ezintabeni, ngathi yeyabantu abaninzi. Yiveni ingxokolo
yezikumkani zeentlanga, zíhlanganisene; uYehova wemikhosi uhlanganisa umkhosi
wemfazwe.

5Bavela ezweni elikude, ekupheleni kwamazulu — nguYehova nezixhobo zengqumbo
yakhe, ukuba alonakalise ilizwe lonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Bhombolozani, kuba isondele imini kaYehova, ivela ngokwembuqo kuSomandla.

7Ngenxa yoko ziwile iingalo zonke, zonke iintliziyo zabantu zinyibilikile.

8Bakhwankqile, bafikelwe kukupenapena nayinimba; bayazibhijabhija njengozalayo, bakhwankqiswe ulowo nguwabo; ubuso babo bubuso bamalangatye.

9Yabona, imini kaYehova iyeza, inobujorha, iphuphuma umsindo, ishushu, ukuba ilènze libe senkangala ilizwe, ibatshabalalise aboni balo kulo.

10Kuba iinkwenkwezi zezulu namakroza alo akayi kukhanyisa kukhanya kwawo; liya kuba mnyama ilanga ekuphumeni kwalo, inyanga ingabi mhlophe ukukhanya kwayo.

11Ndolivelela elimiweyo ngenxa yobubi balo, nabangendawo ngenxa yobugwenxa babo, ndiliphèlise ikratshi labakhukhumeleyo, ndilithobele phantsi ikratshi labangcangcazelisi;

12ndiwènze amadoda anqabe ngaphezu kwegolide engcwengiweyo, noluntu lunqabe ngaphezu kwegolide ecikizekileyo yakwaOfire.

13Ngenxa yoko ndiya kuligungqisa izulu, nehlabathi linyikime, lishenxe endaweni yalo ngokuphuphuma komsindo kaYehova wemikhosi, ngemini yokuvutha komsindo wakhe;

14bathi ke, njengebhadikazi elisukeliswayo, nanjengomhlambi ongenamhlanganisi, babheke elowo kubantu bakowabo, basabele elowo ezweni lakowabo.

15Bonke abo bafunyenweyo baya kuhlatywa amahlànza, bonke abo babanjiweyo bawe likrele.

16Zocunyuzwa iintsana zabo phambi kwamehlo abo, ziphangwe izindlu zabo, balalwe abafazi babo.

17Yabona, ndibaxhoxhela amaMedi angayibekiyo isilivere, angayinanzileyo negolide.

18Izaphetha zawo ziya kukhahlela amadodana, nesiqhamo sesizalo angabi namfesane siso; iliso lawo lingabi nanceba kubo abantwana.

19IBhabheli, ikhazikhazi lezikumkani, isihombo sekratshi lamaKaledi, iya kuba njengokubhukuqa kukaThixo iSodom neGomora.

20Ayi kumiwa naphakade, ayi kuza ihlalwe ezizukulwaneni ngezizukulwana, angagxumeki ntente khona nomArabhi, nabalusi bangakhi khona buhlanti.

21Obutha khona amarhamncwa omqwebedu, zizale izindlu zabo zizihuluhulu, kuhlale iinciniba khona, kuqakathe izinto ezimaxhonti khona;

22kulile amaxhwili ezingxandeni zabo ezinde, neempungutye emabhotweni okuxhamla ubuncwane; kusondele ukuza kwexesha layo, nemini yayo ingalibali.

UIsaya 14

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukubuyiswa kukaSirayeli

1Ngokuba uYehova uya kuba nemfesane kuYakobi, abuye awanyule amaSirayeli,
awahlalise emhlabeni wakowawo, bathelele kuwo abasemzini, bahlomele endlwini
kaYakobi.

2Ziya kuwathabatha izizwe, ziwazise endaweni yawo; bazifuye zona abendlu
kaSirayeli emhlabeni kaYehova, zibe ngamakhoboka namakhobokazana, babe
ngabathimbi babathimbi babo, babe nobukhosi kubaqhubi babo.

Umemelelo olungokufa kokumkani weBhabheli

3Kuya kuthi, mini uYehova aniphumzayo ekwaphukeni kwenu, nasekugungqeni
kwenu, nasekukhonzeni okunzima, enakhonziswa ngako,

4nihlabe lo mzekeliso ngokumkani waseBhabheli, nithi, Útheni na ukupheza
umqhubi! ukupheza umzi othisayo!

5UYehova ulwaphule uswazi lwabangendawo, intonga yabalawuli,

6ebizibetha izizwe ngokuphuphuma komsindo, ngokubetha okungenakupheza;
ebizinyathela ngomsindo iintlanga ngokusukelwa okungenakubanjezelwa.

7Liphumle, lizolile ihlabathi lonke; bayagqabhuka bamemelele.

8Nayo imisipres ikuvuyele, imisedare yaseLebhanon ithi, Kuseloko walalayo, akunyuki
mgawuli usigawulayo.

9Elabafileyo ngaphantsi liyagungqa nguwe, ngokubona ukuza kwakho; likuxhoxhela
abafileyo, zonke iinkunzi ezikhokelayo zehlabathi; liphakamisa ezitroneni zabo bonke
ookumkani beentlanga.

10Zonke ziphela zasusela ngelithi kuwe, Nawe wenziwé ofayo njengathi na? usuke
wafana nathi na?

11Buhlisélwe kwelabafileyo ubungangamsha bakho, isandi semirhubhe yakho;
kwandlelwe iimpethu ngaphantsi kwakho, akugubúngele amanundu.

12Ùtheni na ukuwa emazulwini, Khwezi, nyana wesifingo! ukunqunyulwa uwe
emhlabeni, mngquli weentlanga!

13Wena ke wathi entliziyweni yakho, Ndiya kunyukela emazulwini, ndiyinyuse itrone
yam ibe ngaphezu kweenkwenkwezi zikaThixo; ndihlale entabeni yentlanganiso,
engontsini yasentla.

14Ndiya kunyuka ngaphezu kwezigánga zamafu, ndizifanise nOsenyangweni;

15kanti ùya kuhliselwa kwelabafileyo, engontsini yomhadi.

16Abakubonayo baya kukuthi nzo ngamehlo, bakugqale, bathi, Yiyo na le indoda
ebiligungqisa ihlabathi, ebizinyikimisa izikumkani?

© 1975 Bible Society of South Africa.

17eyalenza intlango elimiweyo, yayigungxula imizi yalo; àyabavulela ababanjwa balo
ukuba bagoduke?

18Bonke ookumkani beentlanga, bonke bephela, balele benozuko, elowo endlwini
yakhe;

19ke wena ulahlelwe kude nengcwaba lakho, njengegatya elilisikizi; wambethe
ababuleweyo, abahlatywe ngekrele, abahle baya ematyeni omhadi; njengesidumbu
esinyashwe ngeenyawo.

20Akuyi kubandakanywa nabo engcwabeni, ngokokuba walonakalisayo ilizwe lakho,
wababulala abantu bakho; ayiyi kuba nagama naphakade imbewu yabenzi bobubi.

21Oonyana bakhe balungiseleni ukusikwa, ngenxa yobugwenxa booyise,
Mabangesuki balidle ilifa ihlabathi, bazalise elimiweyo ngemízi,

22Ndiya kusukela phezulu kubo, utsho uYehova wemikhosi, iBhabheli ndiyinqumle
ingabi nagama namasalela, nanyana nanzalo, utsho uYehova;

23ndiyenze ibe lilifa lokhwalimanzi nezadunge zamanzi, ndiyitshayele ngomtshayelo
wentshabalalo; utsho uYehova wemikhosi.

Ukutshatyalaliswa kuka-Asiriya

24Ufungile uYehova wemikhosi wathi, Inyaniso, njengoko ndicinge ngako, koba njalo;
njengoko ndicebe ngako, koma ngolo hlobo;

25ukuba ndímaphule uAsiriya ezweni lam, ndimnyashe ngeenyawo ezintabeni zam,
isuke kubo idyokhwe yakhe, usuke umthwalo wakhe esixhantini sabo.

26Lilo elo icebo elicetyiweyo ngehlabathi lonke; siso eso isandla esolukileyo phezu
kweentlanga zonke.

27Kuba uYehova wemikhosi ucebile, ngubani na onokutshitshisa? nesandla sakhe eso
solukile, ngubani na onokusibuyisa?

Okuya kuhlela uFilisti

28Ngomnyaka wokufa kokumkani onguAhazi kwabakho esi sihlabo sithi:

29Musa ukuvuyelela, wena Filisti uphela, ngakuba yaphukile intonga ebikubetha;
kuba engcanjini yenyoka kuphuma irhamba, isiqhamo sayo sibe yinyoka etshisayo,
ephaphazelayo.

30Baya kudla abazizisweli, abuthe ekholosile amahlwempu; ndibulale ingcambu
yakho ngendlala, abulawe amasalela akho.

31Bhomboloza, sango! Khala, mzi! Yitha amandla, wena Filisti uphela, ngokuba entla
kuphuma umsi; akukho wahlukayo ebuthweni lakhe.

32Bathini na ukuphendula abathunywa beentlanga? Bathi, UYehova uyisekile iZiyon,
zozímela ngayo iintsizana zabantu bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ulsaya 15

Okuya kuhlela uMowabhi

1Isihlabo esisingisele kuMowabhi. Kuba ngobusuku iAri yakwaMowabhi ibhuqiwe, yadaka; kuba ngobusuku ibhuqiwe iKire yakwaMowabhi, yathi shwaka.

2Banyuké baya endlwini naseDibhon, ezigángeni, besiya kulila; phezu kweNebho naphezu kweMedebha uMowabhi uyabhomboloza; zonke iintloko zichetyiwe, zonke iindevu ziguyiwe.

3Ezitratweni zakhe babhinqa ezirhwexayo; phezu kwezindlu zakhona, nasezindaweni zeembutho zakhona, bonke bephela bayabhomboloza, besithi ngxa iinyembezi.

4Iyakhala iHeshbhon ne-Elale, lide laya kuvakala naseYahazi izwi labo; ngenxa yoko abaxhobileyo bakwaMowabhi benza isijwili, umphefumlo wabo uyajijitheka kubo.

5Intliziyo yam iyakhala ngokubona uMowabhi, omivalo ide yesa eTsohare, elithokazi elilizibulekazi; kuba banyuka eqhineni laseLuhiti belila; kuba endleleni yaseHoronayim bakhaliswa kukwaphulwa kwabo;

6kuba amanzi aseNimrim athe qoko; kuba bubunile utyani, luphelile uhlaza, awukho umfuno.

7Ngenxa yoko intwana ebisele, ababeyenzile, ababeyiqwebile, bayayithwala bayiweze esihlanjeni semingculuba.

8Kuba isikhalo siwuzungulezile umda wakwaMowabhi; ukubhomboloza kwakhe kwesa e-Eglayim, kwesa naseBhere-elim ukubhomboloza kwakhe.

9Kuba amanzi aseDimon azele ligazi; ngokuba iDimon ndiyimisela ezinye izinto ezimbi; abasindileyo bakwaMowabhi nabaseleyo emhlabeni ndibamiselaingonyama.

Ulsaya 16

1Thumelani iimvana kumlawuli welizwe, zivela eSela, zibheke entlango, ziye entabeni yentombi uZiyon.

2Kuba njengeentaka eziphekuziweyo, njengendlu yentaka esuselweyo, aya kuba njalo amagxamesi akwaMowabhi emazibukweni aseArnon, esithi,

3Siphe iqhinga, yahlula; misa isithunzi sakho sibe njengobusuku emini enkulu; fihla abagxothiweyo, musa ukumncetheza obhadubhadulayo.

4Mabaphambukele kuwe abagxothiweyo bam; ube lisithe kuye uMowabhi phambi kombhuqi; ngokuba umkhamangi ugqibele, umbhuqi uphelile, abanyashi batshatyalalisiwe ezweni.

5Kuya kuzinziswa itrone ngenceba, kuhlale phezu kwayo onenyaniso, ententeni kaDavide: umgwebi okhathalele okusesikweni, okhawulezayo ukulungisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Silivile ikratshi likaMowabhi, ikratshi elikhulu. Hayi, ukukratsha kwakhe! Hayi, ikratshi lakhe nokuphuphuma komsindo wakhe, ukuphololoza kwakhe into engeyiyo!

7Ngako oko uMowabhi uya kubhomboloza ngenxa kaMowabhi; bonke bephela baya kubhomboloza; niya kunkwinizela izicumba zeerasintyisi zaseKir-hareshete, nithe dakumba kanye.

8Kuba amasimi aseHeshbhon antshwenyile, nomdiliya waseSibhema. Abantu beentlanga bayivithile imidiliya yawo yohlobo; ibide yaya kufika eYazere, yanabela entlango, amasebe ayo anaba ada awela ulwandle.

9Ngenxa yoko ndiyawulilela ngokulila kweYazere umdiliya waseSibhema; ndikunyakamisa ngeenyembezi zam, Heshbhon, nawe Elale, ngokuba ukuvunwa kweziqhamo zakho nokuvunwa kweediliya zakho kufikelwe ngamayeyeye.

10Isukile imivuyo nemigcobo entsimini echumayo; akusamemelelwa ezidiliyeni, akusadunywa nokudunywa; umxovuli akasaxovuli newayini emkhombeni; ndiwaphelisile amayeyeye.

11Ngenxa yoko izibilini zam ziyahlokoma njengohadi ngoMowabhi, nento ephakathi kwam ngeKir-heres.

12Kuya kuthi, xa athe wabonakala, xa athe wazidinisa uMowabhi esigángeni, wangena engcweleni yakhe ukuba athandaze, asuke angabi nakuthini.

13Lilo elo ilizwi, awalithethayo uYehova ngoMowabhi kwanini.

14Kaloku ke uYehova uthetha esithi, Ngeminyaka emithathu, njengeminyaka yomqeshwa, buya kucukucezwa ubuqaqawuli bukaMowabhi, naloo ngxokolo yonke eninzi, amasalela abe mancinane, abe mbalwa, angabi makhulu.

UIsaya 17

Okuya kuhlela iDamasko noSirayeli

1Isihlabo esisingisele kwiDamasko. Yabona, iDamasko iya kususwa ekubeni ngumzi, ibe ngumwewe owileyo.

2Ishiyiwe imizi yaseArohere; iya kuba yeyemihlambi, ibuthe khona, kungabikho uyothusayo;

3iphelìswe inqaba kwaEfrayim nobukumkani kwiDamasko, amasalela ama-Aram abe njengobuqaqawuli boonyana bakaSirayeli; utsho uYehova wemikhosi.

4Kuya kuthi ngaloo mini, busweleke ubuqaqawuli bukaYakobi, ingcumbeke inyama yakhe etyebileyo.

5Kuya kuba njengomvuni ehlanganisa ingqolowa emiyo, ingalo yakhe isika izikhwebu, kube njengokubhikica izikhwebu esihlanjeni samaRafa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

6kusale okubhikicwayo khona, njengasekuvuthululweni komnquma; amabhumbulu abe mabini namathathu emancamini phezulu, abe mané namahlanu ezimbaxeni zawo umthi oneziqhamo; utsho uYehova, uThixo kaSirayeli.

7Ngaloo mini umntu uya kondela kuMenzi wakhe, amehlo akhe akhangele koyiNgcwele kaSirayeli;

8anganoneleli izibingelelo, izenzo zezandla zakhe, angayikhangeli into eyênziwa yiminwe yakhe, noAshera, nezithixo zelanga.

9Ngaloo mini imizi yakhe enqabileyo iya kuba ngamanxuwa asezintshinyeleni zehlathi, nawasezincotsheni zeentaba, abawashiyáyo phambi koonyana bakaSirayeli; koba senkangala.

10Ngokokuba ùmlibele uThixo, umsindisi wakho, akwalikhumbula neliwa lokunqaba kwakho; ngenxa yoko watyala izityalo ezimnandi, wamilisela kuzo iintswazi zomdiliya wasemzini.

11Ngemini yokutyala kwakho wawubiyela, kusasa wayityatyambisa imbewu yakho — sisitha sokwindla eso ngemini yesifo, nomvandedwa obulalayo.

Ukubhukuqwa kweAsiriya

12Yeha, ukuguguma kwezizwe ezininzi, ziguguma njengokuguguma kweelwandle! Yeha, ukungxola kwezizwe, zingxola njengokungxola kwamanzi anamandla!

13Izizwe zingxola njengokungxola kwamanzi amaninzi; ke uThixo wozikhalimela, zisabe ziye kude, zisukelwe njengomququ weentaba phambi komoya, njengefukufuku lothuli phambi kwesaqhwithi.

14Ngexa langokuhlwa, nanko zikhwankqile; kungekasi, azikho. Siso eso isahlulo sabasidywidayo, nelifa labasiphangayo.

UIsaya 18

Umyalezo kuKushi

1Yeha ke, ilizwe lenzwinini yamaphiko, eliphesheya kwemilambo yakwaKushi;

2elithuma izigidimi ngolwandle ngemikhombe yemikhanzi phezu kwamanzi! Ndithi, Hambani, bathunywa banamendu, niye kuhlanga olude, olugudileyo, kubantu aboyikekayo ngapha nangapha, kuhlanga olumithetho inzima, olugqushayo, olulizwe licandwacandwe yimilambo!

3Nonke bemi belimiweyo, nani bahleli ehlabathini, xa kuthe kwenyuka ibhanile ezintabeni, khangelani; xa kuthe kwavuthelwa isigodlo, yivani.

4Ngokuba utshilo uYehova kum ukuthi, Ndiya kuzola, ndibonele ndisendaweni yam; kufudumele, lisile, likho ilanga, kukho ilifu lombethe ekufudumaleni ngexa lokuvuna.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Kuba phambi kokuvuna, akugqibela ukuphuma amathupha, intyantyambo yakuba
yidiliya emuncu: úya kuwanqumla amasebe ngesitshetshe, awasuse awavikive
anabayo.

6Onke aya kushiywa abe ngawamaxhalanga eentaba, abe ngawamarhamncwa
elizwe; amaxhalanga adlulise ihlobo phezu kwawo, onke amarhamncwa elizwe
adlulise ubusika phezu kwawo.

7Ngelo xesha kuya kusiwa kuYehova wemikhosi isithabathaba, esingabantu abade,
abagudileyo, bephuma kubantu aboyikekayo abangapha nangapha; kuhlanga
olumithetho inzima, olugqushayo, olulizwe licandwacandwe yimilambo; sisiwe
endaweni yegama likaYehova wemikhosi, entabeni yaseZiyon.

UIsaya 19

Ukugwetywa kweYiputa

1Isihlabo esisingisele kwiYiputa. Bona ke uYehova ekhwele efini elinamendu, uza
eYiputa. Ziya kudidizela izithixo ezingento zaseYiputa phambi kwakhe, intliziyo
yeYiputa inyibilika phakathi kwayo.

2AmaYiputa ndiya kuwaxhokonxela kwa-amaYiputa, alwe elowo nomzalwana wakhe,
elowo nommelwane wakhe, umzi nomzi, ubukumkani nobukumkani.

3Wóthiwa qongqololo umoya wamaYiputa phakathi kwawo; ndilingìnye icebo lawo,
aquqele kwizithixo ezingento, nakwabadumzelayo, nakwabaneshologu, nakoosiyazi;

4ndiwavìngcele amaYiputa ngesandla senkosi esilukhuni, alawulwe ngukumkani
onengcwangu; itsho iNkosi, uYehova wemikhosi.

5Aya kuthi qoko amanzi aselwandle, utshe wome umlambo;

6zinuke izibhaxa zawo, iwuthe itshe imijelo yoMnayile waseYiputa, zishwabane
iingcongolo nemikhanzi.

7Iintili ezingakuMnayile, ngasechwebeni loMnayile, nento yonke ehlwayelweyo, iya
koma, iphetshethwe ingabikho.

8Baya kuncwina ababambisi beentlanzi, bambambazele bonke abaphosa iqherhu
eMnayileni, bathi matshamatsha abaneka umnatha phezu kwamanzi.

9Baya kudana abasebenzi beflakisi echazwayo, nabaluki belinen emhlophe;

10zithiwe vithivithi iintsika zalo, ube buhlungu umphefumlo wabo bonke
abasebenzela umvuzo.

11Bazizimathane zodwa abathetheli baseTsohan; amaphakathi alumkileyo kaFaro,
icebo labo libubutyhakala. Ningáthini na ukuthi kuFaro, Ndingunyana wezilumko,
ndingunyana wookumkani bamandulo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ziphi na, ziphi na ke izilumko zakho? Mazikuxèlele kaloku, ziyazi into ayicebileyo
uYehova wemikhosi ngeYiputa.

13Bazizimathane abathetheli baseTsohan, balukuhliwe abathetheli baseNofu;
bayilahlekisile iYiputa abayimbombo yezizwe zayo.

14UYehova uthululele embilinini wayo umoya wobugwenxa, ukuba bayihlahlekise
iYiputa ekwenzeni kwayo konke, njengokugxadazela kwenxila emhlanzweni walo.

15IYiputa ayiyi kuba nasenzo isenzayo intloko kwanomsila, isebe lesundu
nomzí womlambo,

16Ngaloo mini amaYiputa aya kuba njengabafazi, agubhe, ankwantye phambi
kokulingisa ngesandla kukaYehova wemikhosi, alingisa ngaso kuwo.

17Umhlaba wakwaYuda woyixhalabisa iYiputa; athi othe wawukhankanya kuyo,
ankwantye, ngenxa yecebo likaYehova wemikhosi, alicebileyo ngayo.

18Ngaloo mini imizi emihlanu ezweni lamaYiputa iya kuthetha intetho yelakwaKanan,
ifunge uYehova wemikhosi; omnye kuya kuthiwa yi-Ir-heres.

19Ngaloo mini kuya kubakho isibingelelo kuYehova phakathi kwelizwe lamaYiputa,
nelitye elimisiweyo kuYehova ngasemdeni walo.

20Oko koba ngumqondiso nobungqina kuYehova wemikhosi ezweni lamaYiputa; xa
athe akhala kuYehova ngenxa yabaxinezeli bawo, wowathumela umsindisi
nomthetheleli, awahlangule.

21UYehova uya kuzazisa kumaYiputa, amazi uYehova amaYiputa ngaloo mini,
amkhonze ngemibingelelo nangeminikelo yokudla; abhambathise ngezibhambathiso
kuYehova, azizalise.

22UYehova uya kuwabetha ke amaYiputa, ebetha ephilisa; abuyele kuYehova, yena
athandazeke ngawo, awaphilise.

23Ngaloo mini kuya kubakho umendo ophuma eYiputa, oya eAsiriya; eze ama-Asiriya
eYiputa, amaYiputa aye eAsiriya, akhonze uYehova amaYiputa kunye nama-Asiriya.

24Ngaloo mini amaSirayeli aya kuba sisahlulo sesithathu kumaYiputa nakuma-Asiriya,
eyintsikelelo phakathi kwehlabathi;

25ewasikelela uYehova wemikhosi, esithi, Nisikelelwe, maYiputa, bantu bam; ma-
Asiriya, msèbenzi wezandla zam; maSirayeli, lifa lam.

UIsaya 20

Umqondiso wokubhukuqwa kweYiputa

1Ngomnyaka wokuza kukaTartan eAshdode, ethunywe nguSargon, ukumkani
waseAsiriya (walwa neAshdode, wayithimba),

© 1975 Bible Society of South Africa.

2ngelo xesha, wathetha uYehova ngoIsaya unyana ka-Amotsi, esithi, Yiya ukhulule
ingubo erhwexayo emanqeni akho, uzikhulule iimbadada ezinyaweni zakho.
Wenjenjalo ke, wahamba zé, engenazo neembadada.

3Wathi ke uYehova, Njengokuba umkhonzi wam uIsaya ehambe zé, engenambadada,
iminyaka emithathu, waba ngumqondiso nesimanga kwiYiputa nakwaKushi:

4úya kwenjenjalo ukumkani waseAsiriya ukubaqhuba abathinjiweyo baseYiputa,
nabafudusiweyo bakwaKushi, abantwana namadoda amakhulu, bezé,
bengenambadada, behamba ngeempundu, into leyo eziintloni kwiYiputa.

5Baya kuqhiphuka umbilini badane nguKushi, inqolonci yabo, nayiYiputa, iqhayiya
labo;

6bathi ke abemi bolo nxweme ngaloo mini, Yabonani, inje inqolonci yethu, esasabela
kuyo ukuba sincedwe, sihlangulwe kukumkani waseAsiriya; singáthini na ke ukusínda
thina?

UIsaya 21

Ukuthinjwa kweBhabheli

1Isihlabo esisingisele kwintlango yaselwandle. Njengezaqhwithi zasezantsi zikhukula,
kuphuma into entlango, ezweni eloyikekayo.

2Ndiboniswe umbono olukhuni: ingininginí linginiza, umbhuqi ebhuqa. Nyuka, Elam;
ngqinga, Madayi; ukuncwina kwabo konke ndiya kuphelisa.

3Ngenxa yoko azele amanqe am kukuzibhijabhija, inimba indifikele njengenimba
yozalayo; ndiyapenapena, andiva; ndikhwankqile, andiboni.

4Intliziyo yam iyadinga, ukududuzela kundidandathekisile; ungcwalazi, into
endiyilangazelelayo, ulwenzé into endigubhisayo.

5Kulungiswa isithebe, kuboniselwa umboniselo, kuyadliwa, kuyaselwa — vukani,
bathetheli, thambisani iingweletshetshe.

6Ngokuba itsho kum iNkosi, ukuthi, Yiya umise umboniseli, athi akubona into aze
kuyixela.

7Wabona umkhoko wabakhweli, abamahashe bengababini, nabakhweli bamaesile,
nabakhweli beenkamela; wabaza iindlebe, wazibaza kakhulu kunene.

8Wadanduluka ngelengonyama, esithi, Nkosi, kususela koko ndimi emboniselweni
emini, ndizimisile esigxineni sam ubusuku ngobusuku.

9Ke, yabona, kweza umkhoko wamadoda, abamahashe bengababini. Wasusela
wathi, Iwile, iwile iBhabheli; yonke imifanekiso eqingqiweyo yoothixo bayo
uyaphulele emhlabeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Wena, nto yam ibhuliweyo, ngqolowa yesandá sam, endikuvileyo kuYehova
wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ndikuxelile kuni.

Okuya kuhlela uEdom

11Isihlabo esisingisele kothe cwaka. Omemeza kum ekwelakwaSehire, uthi, Mlindi,
kuxa liphi na ebusuku? mlindi, kuxa liphi na ebusuku?

12Uthi umlindi, Kuyeza ukusa, kwanobusuku. Ukuba niyabuza, buzani; buyani, yizani.

Okuya kuhlela amaDedan

13Isihlabo esisingisele kwelaseArabhi. KwelaseArabhi niya kulalisa emxawukeni, nina
mikhoko yamaDedan.

14Baziseleni amanzi abanxaniweyo; nina, bemi bakwaTema, nibakhawùlele ngesonka
abaphalaphalayo.

15Ngokuba baphalaphaliswa ngamakrele, amakrele athiwe kruthu, nasisaphetha
esityhidiweyo, nayimfazwe enzima.

16Ngokuba iNkosi itshilo kum ukuthi, Kwakulo mnyaka, njengeminyaka yomqeshwa,
buya kuphela ubuqaqawuli bonke bakwaKedare;

17abe mbalwa amasalela enani lezaphetha zamagorha, oonyana bakaKedare;
ngokuba uYehova uThixo kaSirayeli uthethile.

UIsaya 22

Ubudenge beYerusalem buyathethiswa

1Isihlabo esisingisele kumfula wombono. Ùkholose ngantoni na kaloku, le nto
unyukileyo waya phezu kwezindlu wonke uphela?

2Wena uzeleyo kukungxola, wena mzi uxokozelayo, wena nqaba ivuyelelayo;
ababuleweyo bakho ababulawanga likrele, abafanga yimfazwe.

3Bonke abaphathi bakho babaleka kunye, bakhonkxwe kungabangakho saphetha;
bonke abáfunyanwa kuwe bákhonkxwa kunye ekubalekeleni kwabo kude.

4Ngenxa yoko ndathi, Susani amehlo kum, ndikwenze kube krakra ukulila kwam;
musani ukundizama ngokundithuthuzela ngenxa yokubhuqwa kwentombi yabantu
bakowethu.

5Ngokuba ifikelwe ngumhla wokudungwadungwa, wokugqushwa,
wokuqungwaqungwa, okuvela kwiNkosi uYehova wemikhosi, emfuleni
wombono; umhla wokuwiselwa phantsi iindonga, wokuzibika ezintabeni.

6AmaElam aqubulé umphongolo, eneenqwelo zokulwa ezinamadoda nabamahashe;
amaKiri ahlubé iingweletshetshe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Zathi ke iintili zakho ezintle zazala ziinqwelo zokulwa, bathi abamahashe bamisa
bemisile esangweni.

8Wasibhenqa isigqubuthelo sakwaYuda; waza wena ngaloo mini wabheka
esikrweqeni sendlu yehlathi.

9Nazibona iintanda zomzi kaDavide ukuba ninzi, nahlanganisa amanzi echibi
lasezantsi;

10izindlu zaseYerusalem nazibala; nazidiliza izindlu, ukuze ninqabise udonga.

11Nenza isigingqi samanzi echibi elidala phakathi kweendonga zombini, ànakhangela
kumenzi wale nto, anambeka owayibumbayo kwakudala.

12INkosi, uYehova wemikhosi, ngaloo mini yabizela ekulileni, nasekumbambazeleni,
nasekuchebeni intloko, nasekubhinqeni iingubo ezirhwexayo;

13kanti kusuke kwaba yimihlali nemivuyo, kusoselwa iinkomo, kuxhelwa iigusha,
kudliwa inyama, kuselwa iwayini; kudliwa, kuselwa, kuba kusithiwa, Ngomso soba
sesifile.

14UYehova wemikhosi wazityhila ngokwakhe ezindlebeni zam, wathi, Nento, ukuba
nokha nicanyagushelwe obo bugwenxa, nide nife! itsho iNkosi, uYehova wemikhosi.

UShebhena uza kuthulwa esihlalweni kumiselwe uEliyakim

15Yatsho iNkosi, uYehova wemikhosi, ukuthi, Hamba uye kwelaa gosa, kuShebhena
umphathi wendlu, uthi,

16Ùnantoni na apha, unabani na apha, ukuba nje uzixholele ingcwaba apha,
njengoxhola ingcwaba lakhe phezulu, ezikrolela ikhaya engxondorheni?

17Yabona, uYehova uya kukudandalazisa ngokudandalazisa kwendoda,
akuxhakamfule, akuqinise.

18Úya kukuthándela akuthandele, ube yinto yokunqakulisa, imbumbulu esinga
ezweni elibanzi ngeenxa zombini. Ùya kufela apho, zibe lapho iinqwelo zobuqaqawuli
bakho, wena, hlazo lendlu yenkosi yakho.

19Ndokuguzula usuke ebugoseni bakho, akugungxule ebumeni bakho.

20Kuya kuthi ngaloo mini, ndibize umkhonzi wam, uEliyakim unyana kaHilekiya;

21ndimambathise iingubo zakho zangaphantsi, ndimbophe ngombhinqo wakho,
ndimnikele esandleni ulawulo lwakho, abe nguyise wabemi baseYerusalem
nowabendlu kaYuda.

22Ndiya kusibeka isitshixo sendlu kaDavide esixhantini sakhe, avule kungabikho
uvalayo, avale kungabikho uvulayo;

23ndimbethelele abe sisikhonkwane endaweni eqinileyo; abe yitrone yozuko kwindlu
kayise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Baya kubuxhoma kuye bonke ubunzima bendlu kayise, amagatya neempakatha, yonke impahla encinane, kuthabathele empahleni ezizidendeleko, kuse empahleni yonke eyimiphanda.

25Ngaloo mini, utsho uYehova wemikhosi, síya kususwa isikhonkwane, eso sibethelelwe endaweni eqinileyo, sixakaxwe, siwe, unqanyulwe umthwalo ophezu kwaso; ngokuba uYehova ethethile.

UIsaya 23

Okuya kuhlela iTire

1Isihlabo esisingisele kwiTire. Bhombolozani, nina zinqanawa zaseTarshishe, ngokuba ibhuqiwe, akwabakho ndlu, akwabakho kungena. Bakutyhilelwe ezweni lamaKiti.

2Yithini cwaka, bemi bonxweme; wena uzaliswe ngabarhwebi baseTsidon, abawela ulwandle.

3Yayisemanzini amakhulu imbewu yaseSihore, ukuvuna koMnayile kwaba lungeniselo kuyo; yaba yindawo yokurhweba kweentlanga.

4Dana, Tsidon; kuba luthethile ulwandle, inqaba yolwandle, lwathi, Andizibhijabhijanga, andizalanga, andikhulisanga mlisela, andondlanga mthinjana.

5Lothi lwakuthi ukuthi ukufika olu daba eYiputa, basuke bazibhijabhije ngodaba olungeTire.

6Welelani niye eTarshishe; bhombolozani, bemi bonxwene.

7Kunje na kuwe, wena mvuyeleli, ukuvela kwakho kukho kwasemihleni yamandulo, iinyawo zakho zakusa kude, ukuba uye kuthi vu?

8Ngubani na lo ucebe le nto ngeTire, ngomzi othwesa ngezithsaba, obarhwebi bawo bangabathetheli, obathengeli bawo bangabazukileyo behlabathi?

9Icetywé nguYehova wemikhosi, ukuba angcolise ubungangamsha bamakhazikhazi onke, ukuba acukuceze bonke abazukileyo behlabathi.

10Canda kulo ilizwe lakowenu njengoMnayile, ntombi inguTarshishe; akusekho luqhwemesha lukuxinileyo.

11Isandla sakhe usoluléle phezu kolwandle, ugungqisé izikumkani. UYehova uwise umthetho ngelakwaKanan wokutshabalalisa iinqaba zalo.

12Wathi, Akuyi kuba sabuya udlamke, nkazana idlwengulweyo, ntombi inguTsidon. Suk' ume, welela kumaKiti; nalapho akuyi kuba nakuphumla.

13Yabona, ilizwe lamaKaledi, ngabantu ababengekho; ama-Asiriya ábamisela ukuba babe ngabomqwebedu; bamisa iimboniselo zabo, bezinqika iingxande zalo ezinde, bezenza umwewe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Bhombolozani, zinqanawa zaseTarshishe, ngokuba ibhuqiwe inqaba yenu.

15Kuya kuthi ngaloo mini, ilityalwe iTire iminyaka engamashumi asixhenxe, njengemihla yokumkani omnye. Ekupheleni kweminyaka engamashumi asixhenxe kuya kwenzeka kwiTire ngokwengoma yehenyukazi, ethi,

16Thabatha uhadi uwujikajike umzi, henyukazi lilityelweyo; betha kamnandi; vuma iingoma ezininzi, ukuze ukhunjulwe.

17Kuya kuthi ekupheleni kweminyaka emashumi asixhenxe, ayivelele iTire uYehova, ibuyele elutsheqweni lwayo, ihenyuzane nezikumkani zonke zehlabathi eziphezu komhlaba;

18lube ngcwele kuYehova urhwebo lwayo notsheqo lwayo; aluyi kubekwa, aluyi kuqwetywa; kuba urhwebo lwayo luya kuba lolwabahleli phambi koYehova, ukuze badle bahluthe, nokuze bambathe ngokobunene.

UIsaya 24

Ihlabathi liyagwetywa

1Yabona uYehova ulithi qongqololo ihlabathi, ulenza amagqagala, uyabuphethula ubuso balo, uyabachithachitha abemi balo;

2kube mfani-nye abantu nababingeleli, kube mfani-nye ikhoboka nenkosi yalo, kube mfani-nye ikhobokazana nenkosikazi yalo, kube mfani-nye othengayo nothengisayo, kube mfani-nye obolekayo nobolekwayo,

3kube mfani-nye umnikimali nomamkelimali. Ihlabathi lithiwé qongqololo ngakunye, liphangwé liphangiwe; kuba uYehova elithethile elo lizwi.

4Ihlabathi lenza isijwili, libunile; lintshwenyile, libunile elimiweyo; bathe matshamatsha abaphakamileyo ebantwini behlabathi.

5Ihlabathi lihlanjelwe ngaphantsi kwabemi balo; ngokokuba beyigqithile imiyalelo, badlula emimiselweni, bawaphula umnqophiso ongunaphakade.

6Ngenxa yoko lidliwe ihlabathi kukuqalekiswa, bathwele ityala abemiyo kulo; ngenxa yoko baphanzile abemi behlabathi, kwasala abantu abambalwa.

7Iwayini entsha yenza isijwili, untshwenyile umdiliya, bayancwina bonke abantliziyo inemivuyo.

8Iphelile imihlali yengqongqo; iyekile ingxokozelo yabadlamkileyo; iphelile imihlali yohadi.

9Abayi kusela wayini benengoma; sikrakra isiselo esinxilisayo kwabasiselayo.

10Uqhekekile umzi osenyanyeni, zivalekile zonke izindlu ukuba zingàngenwa mntu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Bakhala ngewayini phandle; itshonile yonke imivuyo; iphelé kwathi tu imihlali yehlabathi.

12Umzi usele walinxuwa, laqotywa isango layimvithi.

13Kuba kuya kuba nje esazulwini sehlabathi lonke phakathi kwezizwe, kube njengasekuvuthululweni komnquma, njengasekubhikiceni ukuphela kokuvuna iidiliya.

14Bona aba baya kuphakamisa ilizwi, bamemelele; baya kutsholoza ngobungangamsha bukaYehova, beselwandle, bathi,

15Ngenxa yoko, kuzisani uYehova emimandleni yokukhanya: igama likaYehova, uThixo kaSirayeli, eziqithini zolwandle.

16Esondweni lehlabathi siva iingoma ezithi, Udumo malube kwilungisa. Ndaza ndathi, Hayi, ukungcungcutheka kwam! ukungcungcutheka kwam! Athi ke mna! Amanginingini ayanginiza, amanginingini ayanginiza ngonginizo lwawo.

17Ùfikelwe lunkwantyo nomgongxo nesibatha, wena mmi wehlabathi.

18Kuya kuthi, othe walibaleka ilizwi elinkwantyisayo, eyele emgongxweni; othe wenyuka waphuma emgongxweni, abanjiswe sisibatha; ngokuba iingcango zaphezulu zivulekile, zanyikima iziseko zehlabathi.

19Liyavikiveka livikiveke ihlabathi; liyacandeka licandeke ihlabathi; liyashukuma lishukume ihlabathi; liyatalasa ihlaathi njengenxila;

20liyajinga njengomandlalo oxhonyiweyo; ukreqo lwalo lunzima phezu kwalo; liyawa, lingabuyi livuke.

21Kuya kuthi ngaloo mini, awuvulele uYehova umkhosi wabaphezulu, nokumkani behlabathi ehlabathini;

22bahlanganiswe bahlanganiswa njengamakhonkxwa emhadini, bavalelwe entolongweni, bavelelwe kwakuba yimihla emininzi.

23Iya kuba neentloni inyanga, lidane ilanga, xa uYehova wemikhosi angukumkani entabeni yeZiyon, naseYerusalem, naphambi kwamadoda akhe amakhulu, ngobuqaqawuli.

UIsaya 25

Umhobe wokuhlangulwa kweZiyon

1Yehova, unguThixo wam; ndiya kukuphakamisa, ndiya kubulela kwigama lakho; ngokuba wenzé imisebenzi ebalulekileyo, amacebo akho kwakude, ukunyaniseka, inyaniso.

2Ngokuba umzi uwenzé walinxuwa; inqaba enqatyisiweyo yangumwewe; uxande olude lwabasemzini alwaba mzi, ungàkhiwa naphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ngenxa yoko baya kukuzukisa abantu abanengcwangu, ikoyike imizi yeentlanga
ezingcangcazelisayo.

4Ngokuba waba ligwiba kwisisweli, igwiba kwihlwempu ekubandezelweni kwalo,
ihlathi esiphangweni, umthunzi lakubalela, xa ukufutha kwabangcangcazelisayo
kwaba njengesiphango eludongeni.

5Njengokubalela emqwebedwini, udambisé ingxolo yabasemzini; njengokudanjiswa
kokubalela lithunzi lelifu, yathotywa ngokunjalo ingoma yabangcangcazelisayo.

6UYehova wemikhosi uya kuzenzela zonke izizwe isidlo sezinto ezityebileyo kule
ntaba, isidlo sewayini egcinwe ngeentsipho, sezinto ezityebileyo ezinomongo,
sewayini egcinwe ngeentsipho, yaza yahluzwa;

7aginye kule ntaba umphambili wesigqubuthelo esizigqubutheleyo izizwe zonke,
nesigubungelo esizigubungeleyo zonke iintlanga.

8Iya kuginya ukufa kuphele, izisule iNkosi uYehova iinyembezi ebusweni bonke,
ingcikivo yabantu bayo iyisuse ehlabathini lonke, kuba uYehova ethethile.

9Kuya kuthiwa ngaloo mini, Yabona, lo nguThixo wethu; besithembele kuye, ukuba
asisindise; nguYehova lo besithembele kuye; masigcobe, sivuye ngosindiso lwakhe.

10Ngokuba isandla sikaYehova siya kuhlala phezu kwale ntaba, anyathelwe
amaMowabhi endaweni yawo, njengokunyathelwa komququ emanzini omgquba.

11Aya kuzaneka izandla zawo emthonyameni wawo, njengokuba indadi izaneka
izandla ukuba idade; ke uYehova uya kulithoba ikratshi lawo, kunye nezigcaliselo
zezandla zawo.

12Wozisibekekisa iindonga zakho ezinqabileyo eziphakamileyo, azigungxule, ade
azifikise emhlabeni, eluthulini.

UIsaya 26

Ingoma yokubonga kwaYuda

1Ngaloo mini kuya kuvunywa le ngoma ezweni lakwaYuda, ithi, Yinqaba umzi wethu
thina; úmisa iidonga nongqameko zibe lusindiso.

2Vulani amasango, lungene uhlanga olunobulungisa, olugcine ukuthembeka.

3Intliziyo ezimasekileyo ùyayilondoloza, ixole ixolile; ngokuba ikholose ngawe.

4Kholosani ngoYehova ngonaphakade; kuba uYa, uYehova, ulilíwa elingunaphakade.

5Ngokuba uthulele phantsi abahleli phezulu; umzi oyingxonde uwugungxule
wawugungxulela emhlabeni, wawufikisa eluthulini.

6Ziyawunyasha iinyawo, iinyawo zeentsizana, amanyathelo ezisweli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Umendo wamalungisa ulungelelene; wena uyawulinganisela umkhondo wamalungisa, ulungelelane.

8Kakade, Yehova, sìbe sikulindile, ukuba uze emendweni wemigwebo yakho; umnqweno womphefumlo wethu wasinga egameni lakho, nasekukukhumbuleni.

9Nangomphefumlo wam ndakúnqwenela ebusuku; inene, ngomoya wam phakathi kwam ndakúfuna kwakusasa; ngokuba xenikweni imigwebo yakho ibhekiswe ehlabathini, baya kufunda ubulungisa abemi belimiweyo.

10Nokuba úthe wababalwa ongendawo, akafundi bulungisa; nasezweni labathe gca uyagqwetha; akabuboni ubungangamsha bukaYehova.

11Yehova, síbe siphakamile isandla sakho, àbabona; ke baya kulibona ikhwele lakho ngenxa yabantu, badane; ewe, umlilo mawubadle ababandezeli bakho.

12Yehova, ùya kusimisela uxolo; ngokuba nezenzo zethu zonke usisebenzele.

13Yehova Thixo wethu, iinkosi ezingenguwe bezinobukhosi phezu kwethu; kodwa sikhankanya igama lakho ngawe wedwa.

14Abafileyo abo abasayi kuba saphila; abangasekhoyo abo abasayi kuba savuka; ngoko ke ubavelele wabatshabalalisa, wakwenza kwadaka konke ukukhunjulwa kwabo.

15Ulwandisile uhlanga, Yehova, ulwandisile uhlanga; uzizukisile; uzikhwelelisele kude iziphelo zelizwe.

16Yehova, embandezelweni baquqela kuwe, bathulula umthandazongelizwi eliphantsi ekubathethiseni kwakho.

17Njengomithiyo eza kuzala, ezibhijabhija, ekhaliswa yinimba, saba njalo phambi kwakho, Yehova.

18Sibe simithi, sibe sizibhijabhija, sanga sizele umoya. Asilenzelanga sindiso ilizwe, abaphumanga abemi belimiweyo.

19Abafileyo bakho baya kuphila; izidumbu zakowethu ziya kuvuka. Vukani, nimemelele, nina bahleli eluthulini; kuba ngumbethe wezikhanyiso umbethe wakho, nehlabathi liya kubakhupha abangasekhoyo.

20Hambani, bantu bam, ningene ezingontsini zenu, nivale iingcango zenu ngasemva kwenu, nizímele umzuzwana, kude kudlule ukubhavuma.

21Kuba, yabona, uYehova uphuma endaweni yakhe, ukuze abuvelele kubo ubugwenxa babemi behlabathi; ihlabathi lowatyhila amagazi alo, lingabi sabaselela ababuleweyo balo.

UIsaya 27

Isidiliya seNkosi

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Ngaloo mini uYehova uya kuyivelela ngekrele lakhe, elo lilukhuni, elo likhulu, elo lomeleleyo, ileviyatan inyoka ebalekayo, neleviyatan inyoka ephinyaphinyelayo; ayibulale ingwenya eselwandle.

2Ngaloo mini kuya kuthiwa, Isidiliya esinqwenelekayo, hlabelani ngaso.

3Mna Yehova ndingumlondolozi waso; ndiya kusinyéla ngamaxesha onke, ndiya kusilondoloza ubusuku nemini, hleze sivelelwe yinto.

4Ubushushu abukho kum; akwaba bekukho ubobo namakhakakhaka phambi kwam! Bendiya kugaleleka kuwo ngokulwa, bendiya kuwatshisa kanye.

5Okanye mababambelele egwibeni lam, baxolelane nam, ewe, baxolelane nam.

6Ngezayo imihla uYakobi uya kwendelisela iingcambu, atyatyambe adubule uSirayeli, balizalise lonke elimiweyo ngeziqhamo.

7Úmbethé ngokubetha kwababethi bakhe na? Mhlawumbi úbulewe ngokubulawa kwababulewe nguye na?

8Ekumaleni wabambana naye, walinganisela, wakha uluhlu, wamgxotha ngomoya wakhe owomeleleyo ngemini yomoya wasempumalanga.

9Ngako oko ubugwenxa bukaYakobi buya kucanyagushelwa ngale nto; isiqhamo sonke sokususa isono sakhe soba sesi sokuthi, awenze onke amatye esibingelelo abe njengamatye ekalika ankumenkume, bangavuki ooAshera nezithixo zelanga.

10Ngokuba umzi onqatyisiweyo uwodwa, usisithili esilahliweyo, esishiyiweyo njengentlango. Aya kudla khona amathole, abuthe khona, awadle awagqibe khona amahlamvu aso.

11Othi akoma amasebe aso, aphulwe; beze abafazi, bawabase; kuba asibantu banangqondo aba; ngako oko umenzi wabo akayi kuba namfesane kubo, umbumbi wabo akayi kubababala.

12Kuya kuthi ngaloo mini, abhulise uYehova, athabathele emsingeni woMlambo, ase esihlanjeni saseYiputa, nihlanganiselwe omnye komnye, nina nyana bakaSirayeli.

13Kuya kuthi ngaloo mini, kuvuthelwe isigodlo esikhulu, beze ababelahlekele ezweni laseAsiriya, nababegxothelwe ezweni lamaYiputa, baqubude kuYehova entabeni engcwele eseYerusalem.

UIsaya 28

Ukugwetywa kukaEfrayim

1Yeha ke, isithsaba sekratshi samanxila akwaEfrayim, nentyantyambo ebunayo yamakhazikhazi esihombo sakhe, esemantloko omfula ochumayo wababuleweyo yiwayini!

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Yabona, iNkosi inento eyomeleleyo, ekhaliphileyo, njengesiphango sesichotho, isaqhwithi esibhubhisayo; njengesiphango esimanzi anamandla akhukulayo, iya kunqumela emhlabeni ngesandla.

3Síya kunyashwa ngeenyawo isithsaba sekratshi samanxila akwaEfrayim.

4Intyantyambo ebunayo yamakhazikhazi esihombo sakhe, esemantloko omfula ochumayo, yoba njengekhiwane elilikhikhizela, kungekabi sehlotyeni; athi olibonileyo alibone, aliginye esaliphethe ngesandla.

5Ngaloo mini uYehova wemikhosi uya kuba sisithsaba esimakhazikhazi, nesangqawe sokuhomba kumasalela abantu bakhe;

6abe ngumoya wesiko kwabahleli esihlalweni sokugweba, nobugorha kwababuyisela imfazwe esangweni.

IYerusalem isongelwa ngembubhiso

7Kwanaba ke bayotywé yiwayini, bayahexa sisiselo esinxilisayo; umbingeleli nomprofeti bayotywé sisiselo esinxilisayo, baginywé yiwayini, bayahexa sisiselo esinxilisayo; bayotyiwe bebona imibono, bayagexa begweba ityala.

8Kuba zonke izithebe zizele ngumhlanzo oyintshontsho; akukho ndawo ingenawo.

9Bathi, Úya kuyala bani na ukuba azi? aqondise bani na udaba? Abalunyulweyo emasini? abancothulweyo ebeleni?

10Kuba umthetho uza phezu komthetho, umthetho phezu komthetho; ummiselo phezu kommiselo, ummiselo phezu kommiselo; intwana apha, intwana phaya.

11Inene, úya kuthetha ngentetho ethintithayo nangalulwimi lumbi kwaba bantu;

12watshoyo kubo ukuthi, Nantsi indawo yokuphumla, phumzani abatyhafileyo; nantsi indawo yokunyhamnyheka; basuka àbavuma ukuva.

13Ngoko ke ilizwi likaYehova loba ngumthetho phezu komthetho kubo, umthetho phezu komthetho; ngummiselo phezu kommiselo, ummiselo phezu kommiselo; intwana apha, intwana phaya: ukuze baye bakhubeke, bawe ngomva, baphuke, barhintyelwe, babanjiswe.

14Ngako oko liveni ilizwi likaYehova, madoda agxekayo, balawuli baba bantu baseYerusalem.

15Ngokuba nisithi, Sinqophiséne nokufa, sivumelene nelabafileyo; isibetho esingumkhukula, xa singenelayo, asiyi kufika kuthi, kuba amanga siwenzé ihlathi lethu, sasithela ngobuxoki.

16Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndiseké eZiyon ilitye, ilitye locikido, ilitye elinqabileyo lembombo, loseko olusekiweyo. Okholiweyo akayi kungxama.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Isiko ndolenza intambo yokulinganisa, ubulungisa ndibenze ilothe
yokulungelelanisa; isichotho siya kumka nalo ihlathi lamanga, amanzi ayikhukulise
indawo yokusithela.

18Kuya kucinywa ukunqophisana kwenu nokufa, kungemi ukuvumelana kwenu
nelabafileyo; isibetho esingumkhukula, xa singenelayo, sonenza nibe yinto
egqushiweyo.

19Oku kungenela singenelayo, síya kunisusa; ngokuba imisó ngemisó siya
kuningenela, imini nobusuku; kuthi ukuqonda udaba kube kukuhlasimla kodwa.

20Inene, umandlalo mfutshane, akukho kunaba; nesigubungelo sincinane, ukuba
azisongele kuso.

21Ngokuba úya kusuk' eme uYehova, njengasentabeni yePeratsim; uya kuguguma,
njengasentilini yeGibheyon; ukuba enze isenzo sakhe, isenzo sakhe esisodwa, ukuba
asebenze umsebenzi wakhe, umsebenzi wakhe ongaqhelekileyo.

22Kaloku ke musani ukugxeka, hleze kuqiniselwe ukubotshelelwa kwenu; ngokokuba
isiphelo esiya kulifikela ilizwe lonke sisesimisiweyo ke sagqitywa; ndisivile eNkosini,
uYehova wemikhosi.

23Libekeleni indlebe nilive ilizwi lam; yibazeleni indlebe niyive intetho yam.

24Umlimi ulima iimini ezi zonke na, ukuba ahlwayele? anqike aqwakanise umhlaba
wakhe na?

25Àkathi na, akuba ebulungelelanisile ubuso bawo, asasaze idile, agcwayele ikumin,
akrozise ingqolowa, nerhasi endaweni ephawuliweyo, nespelete ngasemdeni wayo?

26Ùmqeqeshile ngokwesiko uThixo wakhe, wamyala.

27Kuba idile ayisizilwa ngempahla yokusizila, ayiqengqelwa ngevili yenqwelo ikumin;
itsinwa ngoswazi idile, nekumin ngentonga.

28Ingqolowa ikhe ityunyuzwe na? Hayi, akahlali eyisizila, agoqozise ivili yenqwelo
yakhe namahashe akhe phezu kwayo; akayityumzi.

29Nale nto iphuma kuYehova wemikhosi; omacebo angummangaliso, obulumko
butshatsheleyo.

UIsaya 29

Ukugwetywa kweAriyeli

1Yeha, Ariyeli, Ariyeli, mzi awamisa intente kuwo uDavide! Yongezelelani umnyaka
kumnyaka; mayizunguleze imithendeleko.

2Ndiya kuyicutha ke iAriyeli, kubekho ukuncwina noncwino, ibe njengeAriyeli ke leyo
kum.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ndiya kukurhawula, ndikungqinge ngenqaba, ndikumisele iintango zokukungqinga;

4uya kugungxulelwa phantsi, uthethe usemhlabeni, ukuthetha kwakho kudambe, kuvela eluthulini; izwi lakho liphume emhlabeni njengelonesholog u, ukuthetha kwakho kudumzele eluthulini.

5Ingxokolo yabakungenelayo iya kuba njengothuli olucolekileyo, ingxokolo yabakungcangcazelisayo ibe njengomququ ophephukayo; ibekho le nto ngephanyazo nangesiquphe.

6Kuphuma kuYehova wemikhosi ukuvelelwa kwayo ngeendudumo nangonyikimo lwehlabathi, nesandi esikhulu; ngesaqhwithi nomoya ovuthuzayo, nokulenya komlilo otshisayo.

7Yoba njengephupha, njengombono wasebusuku, ingxokolo yeentlanga zonke eziyiphumela umkhosi iAriyeli; zonke eziyiphumela umkhosi, yona nemboniselo yayo, eziyicuthayo.

8Koba njengokuthi olambileyo aphuphe, abone esidla, avuke ulambatha umphefumlo wakhe; njengokuthi onxaniweyo aphuphe, abone asela, avuke, nanko etyhafile, utshoba umphefumlo wakhe; iya kuba njalo ingxokolo yeentlanga eziyiphumele umkhosi intaba yeZiyon.

9Zilazilani ningakhulumi; zimfamekiseni nibe ziimfama. Bayanxila kungengawayini, bayatalasa kungengasiselo sinxilisayo.

10Ngokuba uYehova uthulule phezu kwenu umoya wobuthongo obukhulu, wawabopha amehlo enu, abaprofeti; nabaziintloko benu, iimboni zenu, uzigubungele.

11Kuni umbono weento zonke ubé njengamazwi encwadi etywiniweyo, abathi bayinike okwaziyo ukuyifunda, besithi, Khawulese apha; athi, Ndikhohliwe, kuba itywiniwe;

12incwadi inikwe ongakwaziyo ukuyifunda, kuthiwe, Khawulese apha; athi, Andikwazi ukuyifunda incwadi.

13Yathi iNkosi, Ngenxa enokuba aba bantu besondela kum ngomlomo wabo, bendizukisa ngemilebe yomlomo wabo, intliziyo yabo beyikhwelelisele kude kum, nokundoyika kwabo kungumthetho wabantu abawufunda nje kodwa:

14ngako oko, yabona, ndiya kuphinda ndibaphathe aba bantu ngokubalulekileyo, kubaluleke, kumangaliseke; butshone ubulumko bezilumko zabo, isithele ingqondo yeengqondi zabo.

15Yeha ke abangxokayo, besithelisa iqhinga labo kuYehova, zibe semnyameni izenzo zabo; bathi, Ngubani na osibonayo? ngubani na osaziyo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Hayi, ukuphenduka kwenu! Kuya kuthiwa umbumbi unjengodongwe na? into eyenziweyo ithi na kumenzi wayo, Akandenzanga? into ebunjiweyo ithi na kumbumbi wayo, Akaqondi?

17Awusemncinane na umzuzwana, ukuze iLebhanon ibuye ibe yintsimi echumayo, intsimi echumayo kuthiwe lihlathi?

18Kuya kuthi ngaloo mini izithulu ziweve amazwi encwadi, amehlo eemfama abone esithokothokweni nasemnyameni.

19Abalulamileyo baya kukwandisa ukuvuya ngoYehova, abangamahlwempu eluntwini bagcobe ngoyiNgcwele kaSirayeli;

20ngokuba esusiwe umngcangcazelisi, ephelile umgxeki, benqunyulwe bonke abaphaphela ubutshinga;

21abamenza umoni umntu ngenxa yelizwi eli, bamthiyele owohlwayayo esangweni, balisunduze ilungisa ngochuku.

22Ngako oko utsho uYehova kwindlu kaYakobi, lowo wamkhululayo uAbraham, ukuthi, Ngoku uYakobi akayi kudana, ngoku ubuso bakhe abuyi kuba luthuthu.

23Ngokuba ekuboneni kwakhe, ekubonenikwabantwana bakhe, isenzo sezandla zam phakathi kwabo, baya kulingcwalisa igama lam, bamngcwalise oyiNgcwele kaYakobi, bangcangcazele phambi koThixo kaSirayeli.

24Baya kukwazi ukuqonda abamoya undwendwayo, bayamkele imfundo abakrokrayo.

UIsaya 30

Ukunqophisana neYiputa kuyachaswa

1Yeha ke, abantwana abaziinjubaqa, utsho uYehova; abenza iqhinga elingaphumi kum, bathelelane ngothelelwano kungengaMoya wam, ukuze bongeze isono kwisono;

2abahamba bahle baye eYiputa, bengabuzanga emlonyeni wam, basabele egwibeni likaFaro, bazímele ngomthunzi weYiputa!

3Ngoko ke liya kuthi igwiba likaFaro libe lidano kuni, nokuzímela ngomthunzi weYiputa kube lihlazo.

4Ngokuba abathetheli babo báseTsohan, nabathunywa babo bafike eHanes.

5Bonke baya kudana ngabantu abangàbanyusiyo, abangengabokunceda, nabangengabokunyusa; abangábokudanisa, abangabokuhlazisa kananjalo.

6Isihlabo esisingisele kwimvubu yelasezantsi. Ezweni leembandezelo nengcutheko, lengonyamakazi nengonyama, lephimpi, lenyushu enobuhlungu ephaphazelayo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

babethwele ubutyebi babo ngemihlana yamankonyana amaesile, nobuncwane babo ngamalunda eenkamela, besiya kubantu abangenakubanyusa.

7AmaYiputa ke aya kunceda ngokungekwanto nangokulambathayo; ngako oko ndithe ngawo ángabagwagwisayo, behleli phantsi bethe tu.

8Yiya ngoku, ukrole oko elucwecweni únabo, ukubhale encwadini, kube yinto yemihla ezayo, yanini, yaphakade.

9Ngokuba ngabantu abaneenkani, ngoonyana abaxokayo, ngoonyana abangàvumiyo ukusiva isiyalo sikaYehova;

10abathi kwiimboni, Ze ningàboni; nakwiinkangeli, Ze ningasikhangeleli izinto ezithe gca; sithetheleni izinto ezigudileyo;

11khangelani izinto eziyinkohliso; tyekani endleleni, yithini gu bucala emendweni; menzeni aphele ebusweni bethu oyiNgcwele kaSirayeli.

12Ngako oko utsho oyiNgcwele kaSirayeli ukuthi, Ngokokuba nilicekisile elo lizwi, nakholosa ngokucudisa nangobugwenxa, nayama khona:

13ngako oko, obo bugwenxa kuni buya kuba njengendawo ekrazukileyo, ewayo, ezimkayo eludongeni olude, ekuqhekeka kwayo kuza ngesiquphe nangephanyazo;

14úya kuyiqhekeza njengokuqhekeka komphanda wombumbi, wakuqotywa ungayekwa, kungafumaneki ekuqotyweni kwawo negophe lokuthabatha umlilo eziko, nelokukha amanzi equleni.

15Ngokuba itsho iNkosi, uYehova oyiNgwcele kaSirayeli, ukuthi, Beniya kusindiswa kukubuya nakukuphumla; ebengabakhoyo amandla enu ngokuzola nangokukholosa; nasuka ànavuma.

16Ke nathi, Hayi, sìya kubaleka ngamahashe; niya kubaleka kambe. Nathi, Siya kukhwela kwiimbaleki; ngenxa yoko baya kuba namendu abanisukelayo.

17Niya kubaleka niliwaka, ekhalime emnye; bekhalime bebahlanu, nibaleke nide sinale njengomtshanyane encotsheni yentaba, nanjengebhanile endulini.

Ikamva elisikelelekileyo kuSirayeli

18Ngako oko uYehova uya kukha alinde, ukuze anibabale; ngako oko uya kukha akhwelele phezulu, ukuze abe nemfesane kuni; ngokuba nguThixo wogwebo uYehova; hayi, uyolo lwabo bonke abalindele kuye!

19Ngokuba abantu aba baya kuhlala eZiyon, eYerusalem; aniyi kuba sabuya nilile; uya kunibabala ngenene ekuvakaleni kokukhala kwenu; ákukuva, uya kusabela.

20INkosi iya kuninika isonka sobandezelweyo namanzi oxiniweyo, bangabi sazímela abayali bakho, amehlo akho esababona abayali bakho;

© 1975 Bible Society of South Africa.

21iindlebe zakho zive ilizwi ngasemva kwakho, lisithi, Nantsi indlela; hambani ngayo,
nokuba nisinga ekunene, nokuba nisinga ekhohlo.

22Nowénza inqambi umaleko wemifanekiso yenu eqingqiweyo yesilivere, nesingxobo
semifanekiso yenu etyhidiweyo yegolide; niya kuyichithachitha njengesishuba; ùya
kuthi kuyo, Khwelela umke apha.

23INkosi yoyinika imvula imbewu yakho, owuhlwayela ngayo umhlaba; nesonka
songeniselo lomhlaba sityebe, sibe namafutha; imfuyo yakho iya kudla ngaloo mini
emadlelweni abanzi.

24Iinkomo namaesile amatsha asebenza umhlaba, aya kudla umtywakaniselo
onetyuwa, oweliweyo ngomnyazi nefolokhwe yokwela.

25Phezu kweentaba zonke ezinde naphezu kweenduli zonke eziphakamileyo yoba
yimijelo, yimisinga yamanzi, ngemini yembulalo enkulu, ekuweni kweenqaba ezinde.

26Ukukhanya kwenyanga kuya kuba njengokukhanya kwelanga, nokukhanya
kwelanga kube kasixhenxe njengokukhanya kweemini ezisixhenxe, ngemini
yokubopha kukaYehova ukwaphuka kwabantu bakhe, apholise ukuphalusa
kokubetha kwakhe.

Ukutshatyalaliswa kweAsiriya

27Yabona, igama likaYehova liyeza, livela kude, uvutha umsindo wakhe, kuthe shinyi
umsi; umlomo wakhe ulephuza amagwebu, ulwimi lwakhe lunjengomlilo otshisayo.

28Ukufutha kwakhe kunjengomlambo okhukulayo, obetha emqaleni, ukuze azihluze
iintlanga ngentluzo yokuziphanzisa, umkhala olahlekisayo ube semihlathini yezizwe.

29Niya kuba nengoma enjengeyobusuku bokungcwaliswa komthendeleko, novuyo
lwentliziyo lube njengabahamba bebetha ugwali, ukuya entabeni kaYehova, eliweni
likaSirayeli.

30Úya kulivakalisa uYehova izwi lakhe elinendili, akubonakalise ukuhla kwengalo
yakhe kunokujala ngumsindo, nokulenya komlilo otshisayo, nokuphalazeka kwelifu,
nesiphango, namatye esichotho.

31Kuba uAsiriya uya kuqhiphuka umbilini lilizwi likaYehova, ekubetheni kwakhe
ngentonga.

32Kuya kuthi konke ukuhamba koswazi lommiselo, aluhlisayo uYehova phezu
kwakhe, kube neengqongqo neehadi, kusiliwa naye imfazwe, kujinga ingalo.

33Kuba kukade icangcisiwe, ilungisiwe iTofete, ibe ke ilungiselwe ukumkani; yenziwa
yanzulu, yabanzi; igoqo layo linomlilo neenkuni ezininzi; ukuphefumla kukaYehova
kuliphemba njengomlambo wesulfure.

UIsaya 31

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ubudenge bokuthemba iYiputa neAsiriya kunokuthemba uThixo

1Yeha, abehla baye eYiputa ukuba bancedwe, abayama ngamahashe, abakholosa
ngeenqwelo zokulwa, kuba zininzi, nangabamahashe, kuba beqiné kunene;
abangamnoneleli oyiNgcwele kaSirayeli, abangamquqeliyo uYehova!

2Ulumkile ke naye; uya kuzisa ububi, angawabeki nxamnye amazwi akhe; uya
kusukela phezulu kwindlu yabenzi bobubi, nakuncedo lwabasebenza ubutshinga.

3AmaYiputa angabantu, àkaThixo; amahashe awo ayinyama, àkamoya; ukuba
uYehova angásolula isandla sakhe, wokhubeka umncedi, awe umncedwa, baphele
kunye bonke.

4Ngokuba uYehova utshilo kum ukuthi, Njengokuba ingonyama, nengonyama entsha,
isuka igqume phezu kwento eyibambileyo, yakubizelwa ihlokondiba labalusi,
ingaloyiki ilizwi labo, ingayilahli ngokuxokozela kwabo: kwangokunjalo uya kuhla
uYehova wemikhosi, ukuba ayikhuphele umkhosi intaba yeZiyon nenduli yayo.

5Njengeentaka zindanda, uya kwenjenjalo uYehova wemikhosi ukuyikhusela
iYerusalem, eyikhusela, eyihlangula, eyiconga, eyisiza.

6Buyelani kulowo nimkileyo kuye ngokunzulu, nyana bakaSirayeli.

7Ngokuba ngaloo mini baya kucekisa elowo izithixo zakhe zesilivere ezingení,
nezegolide ezingení, ezinenzele zona izandla zenu, ukuba none ngazo.

8Wowa uAsiriya likrele elingelelandoda, limdle ikrele elingelelamntu, asabe phambi
kwekrele, amadodana akhe afakwe uviko.

9Ingxondorha yakhe yodlula imke ngokunxunguphala, baqhiphuke umbilini
abathetheli bakhe, bemke kwibhanile; utsho uYehova, omlilo useZiyon, oziko
liseYerusalem.

UIsaya 32

Ukusikeleleka kwamaxesha ezayo

1Yabona, ukumkani uya kulawula ngokobulungisa, abathetheli bathethele
ngokwesiko;

2umntu abe njengendawo yokuzímela umoya, neyokusithela esiphangweni; abe
njengemijelo yamanzi emqwebedwini, njengomthunzi wengxondorha enkulu ezweni
elibharhileyo.

3Akayi kuvingcwa amehlo ababonayo; zibazeke iindlebe zabevayo.

4Yoqonda ukwazi intliziyo yabangxamayo, ulwimi lwabathintithayo lungxamise
ukuthetha ngokuthe tyhatyhasini.

5Isidenge akuyi kuba sathiwa silinene, itshivela akuyi kuthiwa lilinono;

© 1975 Bible Society of South Africa.

6kuba isidenge sithetha ubudenge, intliziyo yaso yenza ubutshinga, ukuze senze ububi; sithetha into yokubhuda ngoYehova, silambathise umphefumlo wolambileyo, simswelise onxaniweyo into eselwayo.

7Ubutshivela betshivela bubi; liceba amayelenqe okonakalisa iintsizana ngamazwi obuxoki, naxa ihlwempu lithetha ngokusesikweni.

8Inene lona liceba izinto zobunene; lona limi ngezinto zobunene.

Isiyalo kubafazi

9Bafazi batyeshileyo, sukani nime; liveni ilizwi lam, zintombi zingakhathaliyo; yibekeleni indlebe intetho yam.

10Iya kuba ziintsuku nokuba ngumnyaka, nigungqe, zintokazi zingakhathaliyo; kuba kuphelile ukuvuna izidiliya; ukubutha iziqhamo akuyi kubakho nakanye.

11Gubhani, zintokazi zityeshileyo; gungqani, zintokazi zingakhathaliyo; hlubani nichushuluze, nibhinqe ezirhwexayo emanqeni.

12Baya kubetha emabeleni ngenxa yamasimi anqwenelekayo, nangenxa yemidiliya eneziqhamo.

13Kuya kuphuma imithi enameva namakhakakhaka emhlabeni wabantu bakowethu; ewe, naphezu kwezindlu zonke zemihlali kumzi odlamkileyo.

14Kuba iingxande ezinde zilahliwe, ingxokolo yomzi ishiyiwe; iOfele nemboniselo ziza kuba yimiqolomba ngonaphakade, zibe ziindawo zokudlamkela kwamaesile asendle, zibe lidlelo lemihlambi;

15ade agalelwe phezu kwethu uMoya ophuma phezulu, isuke intlango ibe yintsimi echumayo, intsimi echumayo kuthiwe lihlathi.

16Entlango ke kuya kuma okusesikweni, buhlale ubulungisa entsimini echumayo.

17Wothi umsèbenzi wobulungisa ube luxolo, nokwenza kobulungisa kube kukuzola nokukholosa ngonaphakade;

18abantu bakowethu baya kuhlala esithilini esinoxolo, eminqubeni yenkoloseko, ezindaweni zokuphumla ezinokonwaba.

19Kuya kuphalala izichotho ekuweni kwehlathi, ugungxulelwe umzi endaweni ephantsi.

20Hayi, uyolo lwenu bahlwayela ngasemanzini onke, bayekele amanqina enkomo nawe-elise.

UIsaya 33

Ukusongelwa kombhuqi

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Yeha ke, mbhuqi, wena ke ungabhuqwanga; nginingini, wena ke ungatshinizelwanga! Wakugqiba ukubhuqa, uya kubhuqwa; wakukufeza ukunginiza, uya kunginizelwa.

2Yehova, sibabale, sithembéle kuwe; yiba yingalo yabo imisó ngemisó; yiba lusindiso kuthi ngexesha lembandezelo.

3Ziyaphalaphaliswa izizwe lilizwi lengxokolo, ziyaphangalaliswa iintlanga kukuphakama kwakho.

4Ohlanganiswa emke amaxhoba enu njengokuhlanganisa kweenkumbi ezinqunquthayo, bawaqugquzelele njengokuqugquzela komqikela.

5UYehova uphakamile, ngokuba ehleli phezulu; uyizalisile iZiyon ngokusesikweni nangobulungisa.

6Kuya kubakho ukuzimaseka kwamaxesha akho, nobutyebi bosindiso, nobulumko, nokwazi; ukoyika uYehova bubuncwane bakhe.

7Yabona, iinjengele zabo ziyakhala ngaphandle; abathunywa boxolo balila ngokukrakra.

8Iindlela azihanjwa; umhambi uphelile; úwaphule umnqophiso, ucekise imizi, àkakhathalela mntu.

9Ilizwe lenza isijwili, lintshwenyile; ineentloni iLebhanon, ishwabene; iSharon isuke yaba njengenkqantosi; ivuthulula amagqabi iBhashan neKarmele.

10Kungokunje ndiya kusuka ndime, utsho uYehova; kungokunje ndiya kuphakama; kungokunje ndiya kuzinyusa.

11Niya kumitha isikhotha, nizale iindiza; ukufutha kwenu ngumlilo oya kunidla.

12Izizwe zoba yimitshiso yekalika, zoba yimithi enameva ehlahliweyo, ibaswe umlilo.

INkosi ihlangula abantu bayo

13Yivani, nina bakude, endikwenzileyo: nibazi ubugorha bam, nina basondeleyo.

14Bayankwantya eZiyon aboni, abaziintshembenxa babanjwe kukuthuthumela; bathi, Ngubani na ke kuthi onokuphambukela emlilweni odlayo? ngubani na ke kuthi onokuphambukela emalangatyeni angunaphakade?

15Ohamba ngobulungisa, othetha okuthe tye, ocekisa inzuzo yokucudisa, ovuthulula isandla sakhe singaphathi sicengo, ovingca iindlebe zakhe zingevi ngegazi, ocima amehlo akhe angakhangeli entweni embi:

16nguye oya kuhlala ezindaweni eziphezulu. Iimboniselo zeengxondorha yingxonde yakhe; isonka sakhe usinikiwe, amanzi akhe ahleli ekho.

17Amehlo akho aya kumkhangela ukumkani ebuhleni bakhe; aya kulibona ilizwe elisingise kude.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Intliziyo yakho iya kucamanga ngesothuso, ithi, Uphi na umbali? uphi na umlinganiseli? uphi na umbali weenqaba ezinde?

19Abantu abaziingwanyalala akuyi kubabona: abantu abantetho inzulu, ingavakaliyo, abalulwimi luthintithayo lungenakuqondeka.

20Khangela iZiyon, umzi wemithendeleko yethu. Amehlo akho aya kuyibona iYerusalem, isithili esinokonwaba, iyintente engàfuduswayo, ezikhonkwane zingàncothulwayo naphakade, ezintambo zonke zingàqhawukiyo.

21Ewe, ngenxa yethu ikhona ingangamsha uYehova; yindawo enemilambo, enemijelo ebanzi ngeenxa zombini; akuyi kuhamba sinqanawa sibheqwayo apho, kungaweli khona nqanawa iyingangamsha.

22Kuba umgwebi wethu nguYehova, ummisimthetho wethu nguYehova, ukumkani wethu nguYehova; uya kusisindisa yena.

23Zityeketyeke iintambo zakho, àzilubambi useko lwemasti yazo, aziyitwabululi iseyile; kuya kwandula kwabiwe amaxhoba amaninzi athinjiweyo, neziqhwala ziphange okuphangiweyo.

24Akayi kuthi ummi wakhona, Ndiyafa; abantu abahleliyo khona babuxolelwe ubugwenxa babo.

UIsaya 34

Isigwebo esingoEdom sivakaliswa phambi kwazo zonke iintlanga

1Sondelani, zintlanga, nive; nibaze iindlebe, zizwe; malive ihlabathi nenzaliseko yalo; elimiweyo, neziveliso zonke eziveliswa lilo.

2Ngokuba uburhalarhume bukaYehova buphezu kweentlanga zonke, nobushushu bakhe buphezu komkhosi wazo wonke; uzisingele phantsi, uzinikele ekusikweni.

3Baya kulahlwa ababuleweyo bazo, nezidumbu zabo kunyuke ukunuka kwazo, kunyibilike iintaba ligazi lazo.

4Uya kuvunda wonke umkhosi wezulu, lisongwe izulu njengencwadi, wonke umkhosi walo ubune njengokubuna kwegqabi emdiliyeni, njengokubuna kwegqabi emkhiwaneni.

5Ngokuba liselé lahlútha ezulwini ikrele lam; yabona, lihla phezu koEdom, naphezu kwabantu endibasingele phantsi, ibe ngumgwebo.

6Ikrele likaYehova lizele ligazi, lityetyiswe ngamanqatha, ligazi leemvana neleebhokhwe, ngamanqatha ezintso zeenkunzi zeegusha; ngokuba uYehova unombingelelo eBhotsera, nokuxhela okukhulu ezweni lakwaEdom.

7Kuya kuhla inqu kunye nazo, iinkunzi ezintsha kunye neenkabi, lisele lihluthe ilizwe labo ligazi, lutyetyiswe uthuli lwabo ngamanqatha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Kuba uYehova unomhla wempindezelo, unomnyaka wembuyekezo, wokuthethelela iZiyon.

9Yoguquka imilambo yabo ibe yitela, uthuli lwabo lube yisulfure, ilizwe labo libe yitela etshayo.

10Aliyi kucinywa ubusuku nemini; umsi walo uya kunyuka ngonaphakade; liya kuchithakala kwisizukulwana ngesizukulwana; liya kuhlala lihleli lodwa, kungabikho ucanda kulo.

11Loba lilifa lengcwangube nokhwalimanzi, kuhlale kulo ifubesi nehlungulu, olule phezu kwalo ulutya lokulinganisa lwakwanyanyeni, nelothe yokulungelelanisa yakwalubala.

12Abanumzana balo — akuyi kuba sabakho babiza bukumkani kubo, bonke abathetheli balo babe yinto engekhoyo.

13-14Iingxande zalo ezinde ziya kumila into enameva, amarhawu namakhakakhaka ezinqabeni zalo ezinkulu, libe sisikhundla seempungutye nedlelo leenciniba. Kohlangabezana amarhamncwa omqwebedu neempungutye, into elixhonti ikhawulelane nowayo; ewe, into yasebusuku iya konwaba khona, izifumanele ukuphumla.

15Kulapho iya kwenzela khona indlu inyoka ejubayo, izale amaqanda, ifukame emthunzini khona; ewe, khona apho baya kubutha oontloyiya, elowo nowabo.

16Funani encwadini kaYehova, nilese. Akukho nanye kuzo ezo zinto iya kusala, eya kusilela kuwayo; ngokuba ngumlomo wam oziwisele umthetho, ngumoya wawo ozibuthileyo.

17Nguye ozirholele iqashiso, isandla sakhe sazabela lona ngolutya lokulinganisa; ziya kulidla ilifa kude kuse ephakadeni, zihlale kulo kwisizukulwana ngesizukulwana.

UIsaya 35

Ukusikeleleka kwabantu bakaThixo

1Inemihlali intlango nomqwebedu; iyagcoba inkqantosi, iyadubula njengomfiyo.

2Iyatyatyamba, ithi rhoqo; iyagcoba, ewe, iyagcoba, imemelele, inikwe ubuqaqawuli beLebhanon, ubungangamela beKarmele neSharon; ezo ndawo ziya kububona ubuqaqawuli bukaYehova, ubungangamela boThixo wethu.

3Yomelezani izandla eziwileyo, niwaqinise amadolo agexayo.

4Yithini kwabantliziyo zingxamayo, Yomelelani, ningoyiki. Yabonani, uThixo wenu uyeza enempindezelo, enembuyekezo kaThixo; uya kuza yena anisindise.

5Aya kuvulwa amehlo eemfama, zivulwe iindlebe zezithulu;

© 1975 Bible Society of South Africa.

6size sitsibe njengexhama isiqhwala, lumemelele ulwimi lwesidenge; ngokuba kuya kugqobhoka amanzi entlango, nemilambo enkqantosini;

7isanga sibe lidike, neendawo ezinxaniweyo zimpompoze amanzi. Esikhundleni sempungutye, apho ibuthuma khona, kuya kuba butyani neengcongolo nemikhanzi.

8Kuya kubakho umendo khona, kubekho indlela, kuthiwe ukubizwa kwayo, yindlela engcwele le. Akuyi kudlula nto iyinqambi ngayo; yeyabo yona: abahamba loo ndlela — nabazizihula àbayi kulahleka kuyo.

9Akuyi kubakho ngonyama khona, aliyi kuqabela khona irhamncwa eliqwengayo; aliyi kufunyanwa khona; kuya kuhamba khona abakhululwé ngokuhlawulelwa;

10abakhululwa bakaYehova babuye beze eZiyon bememelela; benovuyo olungunaphakade phezu kweentloko zabo; baya kufumana imihlali nemivuyo, sisabe isingqala nosizi.

UIsaya 36

Ukuhlasela kukaSaneribhe

1Kwathi ngomnyaka weshumi elinesiné wokumkani uHezekiya, kwenyuka uSaneribhe ukumkani waseAsiriya, waya kuyo yonke imizi yakwaYuda enqatyisiweyo, wayithimba.

2Ukumkani waseAsiriya wasusa uRabheshake eLakishe, ukuba aye eYerusalem kukumkani uHezekiya, enempi enzima. Wafika wema emjelweni wechibi lasentla, ongasemendweni wentsimi yomsuki weengubo.

3Kwaphuma kwaya kuye uEliyakim unyana kaHilekiya, umphathi wendlu, noShebhena umbhali, noYowa unyana ka-Asafu, umkhumbuzi wezinto zakomkhulu.

4Wathi kubo uRabheshake, Khanithi kuHezekiya, Utsho ukumkani omkhulu, ukumkani waseAsiriya, ukuthi, Yeyani na le nkoloseko ukholose ngayo?

5Ndithi mna, lilizwi lomlomo wodwa iqhinga lakho nobugorha bakho bemfazwe; okungoku ke ukholose ngabani na, ugwilike kum nje?

6Uyabona, ukholose ngaloo msimelelo wengcongolo evikivekileyo, iYiputa, ethi, othe wayama ngayo, ingene esandleni sakhe, imhlabe; únjalo uFaro ukumkani weYiputa kubo bonke abakholse ngaye.

7Ke ukuba uthi kum, Sikholose ngoYehova uThixo wethu, ndithi, Asinguye na lo uzigánga nezibingelelo azisusileyo uHezekiya, wathi kumaYuda nakwiYerusalem, Ize niqubude phambi kwesi sibingelelo sodwa?

8Khawubekelane kaloku nenkosi yam, ukumkani waseAsiriya; ndokunika amawaka amabini amahashe, ukuba unako ngecala lakho ukukhupha abakhweli bokukhwela kuwo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Wòthini na ukubujika ubuso benkosana enye, yakubo abancinane babakhonzi benkosi yam, ukholòse ngeYiputa, ngeenqwelo zokulwa nangabamahashe?

10Ngokunje ndinyuké ndeza kulonakalisa eli lizwe, ndingenaye uYehova, yini na? UYehova uthe kum, Nyuka uye kweli lizwe, ulonakalise.

11Bathi ooEliyakim noShebhena noYowa kuRabheshake, Khawuthethe kubakhonzi bakho ngesiAram, kuba sisiva sona; musa ukuthetha kuthi ngesiYuda ezindlebeni zabantu abaseludongeni.

12Wathi uRabheshake, Inkosi yam indithumé ukuba ndiwathethe la mazwi enkosini yakho nakuwe, yini na? Àsikula madoda ahleli eludongeni yini na, ukuze adle ilindle lawo, asele umchamo wawo nani?

13Wema uRabheshake, wadanduluka ngezwi elikhulu ngesiYuda, wathi, Waveni amazwi okumkani omkhulu, okumkani waseAsiriya.

14Uthi ukumkani, Makanganilukuhli uHezekiya, ngokuba akayi kuba nako ukunihlangula.

15Makanganikholosisi ngoYehova uHezekiya, esithi, Inene, uya kusihlangula uYehova; lo mzi awusayi kunikelwa esandleni sokumkani waseAsiriya.

16Musani ukumphulaphula uHezekiya, ngokuba utsho ukumkani waseAsiriya ukuthi, Xolisanani nam, niphume nize kum, nidle elowo umdiliya wakhe, elowo umkhiwane wakhe, nisele elowo amanzi equla lakhe;

17ndide ndize ndinise ezweni elinjengelizwe lenu, ilizwe lengqolowa newayini entsha, ilizwe lesonka nezidiliya.

18Ize nilumke hleze aninyange uHezekiya, esithi, UYehova uya kusihlangula. Oothixo beentlanga balihlangule na elowo ilizwe lakhe esandleni sokumkani waseAsiriya?

19Baphi na oothixo baseHamati neArpadi? baphi na oothixo baseSefarvayim, ukuba bangàbi balihlangule elakwaSamari esandleni sam?

20Nguwuphi na koothixo bonke bala mazwe olihlanguleyo ilizwe lakhe esandleni sam, ukuba ade uYehova ayihlangule iYerusalem esandleni sam?

21Bathi tu, àbamphendula nazwi; ngokuba umthetho wokumkani wona ubusithi, Nize ningamphenduli.

22Weza ke uEliyakim unyana kaHilekiya, umphathi wendlu, noShebhena umbhali, noYowa unyana ka-Asafu, umkhumbuzi wezinto zakomkhulu, kuHezekiya, bezikrazule iingubo zabo, bamxelela amazwi kaRabheshake.

UIsaya 37

1Kwathi, akukuva oku ukumkani uHezekiya, wazikrazula iingubo zakhe wazigquma ngezirhwexayo, wangena endlwini kaYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Wathuma uEliyakim umphathi wendlu, noShebhena umbhali, namadoda amakhulu ababingeleli, bezigqume ngezirhwexayo, kuIsaya umprofeti, unyana ka-Amotsi.

3Bathi kuye, Utsho uHezekiya ukuthi, Le mini yimini yembandezelo neyokohlwaya neyogibo; ngokuba abantwana bazé kufika emlonyeni wesizalo, tu ke amandla okuzala.

4Mhlawumbi uYehova uThixo wakho angaweva amazwi kaRabheshake, othunyiweyo ngukumkani waseAsiriya inkosi yakhe, ukungcikiva uThixo ophilileyo; amohlwaye ngenxa yamazwi lawo awavileyo uYehova uThixo wakho; wena uphakámise umthandazo ngenxa yamasalela asekhoyo.

5Baya ke abakhonzi bokumkani uHezekiya kuIsaya.

6Wathi uIsaya kubo, Nothi kwinkosi yenu, Utsho uYehova ukuthi, Musa ukoyikiswa ngamazwi owavileyo, abandinyelise ngawo abafana bakwakumkani waseAsiriya.

7Yabona, ndimfaka umoya, ukuba eve udaba olubi, abuye ke aye ezweni lakhe, ndimwise ngekrele ezweni lakhe.

8Wabuya ke uRabheshake, wamfumana ukumkani waseAsiriya esilwa neLibhena; ngokuba ebevile ukuba undulukile eLakishe.

9Weva kusithiwa ngoTiraka ukumkani wakwaKushi, Uphumile esiza kulwa nawe. Weva ke, wathumela abathunywa kuHezekiya esithi,

10Notsho kuHezekiya ukumkani wakwaYuda ukuthi, Makangakulukuhli uThixo wakho, okholose ngaye wena, usithi, Ayisayi kunikelwa iYerusalem esandleni sokumkani waseAsiriya.

11Uyabona, ukuvile wena abakwenzileyo ookumkani baseAsiriya kumazwe onke, ukuba bawaphanzisa; ùya kuhlangulwa na ke wena?

12Oothixo beentlanga ke bazihlangula na ezo, bazitshabalalisáyo oobawo, iGozan, neHaran, neRetsefe, noonyana bakaEden ababeseTelasare?

13Úphi na ukumkani weHamati, nokumkani weArpadi, nokumkani womzi waseSefarvayim, neHena, neIva?

14Wawathabatha uHezekiya amaphepha encwadi esandleni sabathunywa, wawafunda; wenyuka waya endlwini kaYehova, wayaneka uHezekiya phambi koYehova.

15Wathandaza uHezekiya kuYehova esithi,

16Yehova wemikhosi, Thixo wakwaSirayeli, wena uhleli phakathi kweekerubhi, unguye uThixo wena wedwa kwizikumkani zonke zehlabathi; wena ulenzile izulu nehlabathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Thoba indlebe yakho, Yehova, uve; vula amehlo akho, Yehova, ubone; uweve onke amazwi kaSaneribhe, awathumele ukungcikiva uThixo ophilileyo.

18Okunene, Yehova, ookumkani baseAsiriya baziphanzisile zonke iintlanga namazwe azo;

19babanikela oothixo bazo emlilweni, kuba bebengèthixo, bebengumsebenzi wezandla zomntu, umthi nelitye; babatshabalalisa ke.

20Ke ngoko, Yehova Thixo wethu, sísindise esandleni sakhe, zazi zonke izikumkani zehlabathi, ukuba wena unguYehova wedwa.

21Wathumela ke uIsaya unyana ka-Amotsi kuHezekiya, esithi, Útsho uYehova, uThixo wakwaSirayeli, ukuthi, Okuthandazeleyo kum, ngokubhekisele kuSaneribhe ukumkani waseAsiriya, ndikuvile.

22Lilo eli ilizwi alithethayo uYehova ngaye, Intombi eyintombi uZiyon iyakudela, iyakugculela; intombi uYerusalem ihlunguzela intloko emva kwakho.

23Ngubani na lo umngcikivileyo, umnyelisileyo? Ngubani na lo ùmphakamisele ilizwi lakho, ukude uwaphakamisele amehlo akho phezulu nje? NgoyiNgcwele wakwaSirayeli.

24Ùyingcikivile iNkosi ngabakhonzi bakho, wathi, Ngobuninzi beenqwelo zam zokulwa ndiqabele mna ezintlomeni zeentaba, emathambekeni eLebhanon; ndiyigawúle imisedare yayo emide kakhulu nemisipres yayo enyuliweyo; ndifiké kweyokuphela indawo yayo ephezulu, ehlathini lentsimi yayo echumayo.

25Ndimbé, ndasela amanzi mna; ndiya kuyomisa ngentende yeenyawo zam yonke imijelo yoMnayile oseYiputa.

26Akuvanga na? Kwakude ndakwenza oku, kwangemihla yamandulo ndakubumba; ndikufikisile, kwenzeka ngoku ukuba uyikhahlele phantsi imizi enqatyisiweyo, ibe yingxakangxaka yemiwewe.

27Abemi bayo bánqumka izandla, baqhiphuka umbilini, badana, baba ngumfuno wasendle, nohlaza, utyani obuphezu kwendlu, nentsimi yengqolowa engekabi mvila.

28Ke ukuhlala kwakho, nokuphuma kwakho, nokungena kwakho, ndiyakwazi, nokuguguma kwakho ngam.

29Ngenxa yokuguguma kwakho ngam, nangenxa yokutyesha kwakho okunyuke kweza ezindlebeni zam, ndiya kufaka ikhonkco lam empumlweni yakho, nomkhala wam emlonyeni wakho, ndikubuyise ngendlela oweza ngayo.

30Ke kaloku nguwo lo umqondiso kuwe: lo mnyaka kodliwa ummilela, ngomnyaka wesibini kodliwa isihlabane; ngomnyaka wesithathu nohlwayela nivune, nityale izidiliya, nidle iziqhamo zazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Abasindileyo bendlu yakwaYuda, abo baseleyo, baya kubuya bendelisele iingcambu phantsi, benze iziqhamo phezulu.

32Ngokuba kuya kuphuma eYerusalem abaseleyo nabasindileyo entabeni yeZiyon. Ubukhwele bukaYehova wemikhosi buya kukwenza oko.

33Ngako oko utsho uYehova ngokubhekisele kukumkani waseAsiriya, ukuthi, Akayi kungena kulo mzi, akayi kutola notolo kuwo, akayi kuwuzela enengweletshetshe, akayi kuwufumbela ludonga lakungqinga.

34Uya kubuya ngendlela aweza ngayo; akasayi kungena kuló mzi; utsho uYehova.

35Ndiya kuwukhusela lo mzi, ndiwusindise ngenxa yam, nangenxa kaDavide, umkhonzi wam.

36Kwaphuma ke isithunywa sikaYehova, saxabela emkhosini wama-Asiriya ikhulu elinamanci asibhozo anesihlanu amawaka. Bavuka kusasa, nango ezizidumbu ezifileyo onke.

37Wanduluka, wahamba; wabuya uSaneribhe ukumkani waseAsiriya, wahlala eNineve.

38Kwathi, enqula endlwini kaNiseroki uthixo wakhe, bamxabela ngekrele ooAdrameleki noSharetsere, oonyana bakhe. Baza basabela ezweni laseArarati. UEsar-hadon, unyana wakhe, waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

UIsaya 38

Ukugula nokuchacha kukaHezekiya

1Ngaloo mihla wayesifa UHezekiya, eza kufa. Waya umprofeti kuye, uIsaya unyana ka-Amotsi; wathi kuye, Utsho uYehova ukuthi, Yolela indlu yakho, ngokuba uya kufa wena, akuyi kuphila.

2UHezekiya wabubhekisa eludongeni ubuso bakhe, wathandaza kuYehova, wathi,

3Khawukhumbule, ndiyakukhunga, Yehova, okokuba ndihambé phambi kwakho ngokunyaniseka nangentliziyo ephelelisileyo, ndakwenza okulungileyo emehlweni akho. Watsho uHezekiya isililo esikhulu.

4Kwafika ilizwi likaYehova kuIsaya, lisithi,

5Yiya uthi kuHezekiya, Utsho uYehova, uThixo kaDavide uyihlo, ukuthi, Ndiwuvile umthandazo wakho, ndizibonile iinyembezi zakho. Uyabona, ndiya kongezelela kwimihla yakho ishumi elinesihlanu leminyaka.

6Ndiya kukuhlangula wena naló mzi esandleni sokumkani waseAsiriya, ndiwukhusele lo mzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Nangu ke umqondiso kuwe, uphuma kuYehova, ukuba úya kulenza uYehova elo lizwi alithethileyo.

8Uyabona, ndiyasibuyisa isithunzi sezinyuko, esehláyo esinyukweni sika-Ahazi ngelanga, ndisibuyisa umva izinyuko ezilishumi. Labuya ke ilanga izinyuko ezilishumi ezinyukweni elibe lihlile ngazo.

Umbulelo kaHezekiya ngokuphila kwakhe

9Umbhalo kaHezekiya ukumkani wakwaYuda, oko ebesifa, waza waphila:

10Ndathi mna, yakubon' ukuba ithe cwaka imihla yam, mandimke ndiye emasangweni elabafileyo; Ndivelelwe, ndayihluthwa eseleyo iminyaka yam.

11Ndathi, Andiyi kumbona uYa, uYa ezweni labaphilileyo; Andiyi kuba samkhangela umntu, ndikubemi belabangasekhoyo.

12Umnquba wam uza kuncothulwa, ufuduswe umke kum, njengentente yomalusi; Ndibusongile njengomluki ubomi bam; únditsheca ezintsingeni. Ùya kundigqibela ngosuku olunye.

13Ndazizolisa kwada kwasa; njengengonyama, wénjenjalo ukuwaphula onke amathambo am. Ùya kundigqibela ngosuku olunye.

14Njengehlankomo, njengendwe, ndenjenjalo ukukrikriza, Ndalila njengevukuthu; aphela amehlo am kukubheka phezulu: Yehova, ndifingekile, ndímele.

15Ndothini na ukubulela, ethethile nje kum, wénza nokwenza? Mandicothoze yonke iminyaka yam eya kuza phezu kobukrakra bomphefumlo wam.

16Nkosi yam, babuya baphile zezo zinto abantu, Bukuzo kanye ubomi bomoya wam: Wòndiphilisa ke, ndídlise ubomi.

17Yabona, baba lusindiso kum ubukrakra obukhulu. Wena ke ngokundithanda, wawurhola umphefumlo wam esihogweni sokonakala; Ngokuba izono zam uzilahlile emva komhlana wakho.

18Kuba elabafileyo alinakukuncoma, ukufa akunakukudumisa; Abahla baye emhadini àbakulindele ukunyanisa kwakho.

19Ophilileyo, ophilileyo nguye owokuncoma, njengam nje namhla. Uyise uya kukwazisa ukunyanisa kwakho koonyana.

20UYehova uza kundisindisa; Ngoko ke sozibetha iihadi zethu Yonke imihla yobomi bethu, endlwini kaYehova.

21Wathi uIsaya, mabathabathe isicumba samakhiwane, basibeke ethumbeni, ukuze aphile.

22Wathi uHezekiya, Uyintoni na umqondiso wokuba ndiya kunyuka ndiye endlwini kaYehova?

© 1975 Bible Society of South Africa.

UIsaya 39

Ukunqophisana neBhabheli kuyachaswa

1Ngelo xesha uMerodaki-bhaladan, unyana kaBhaladan, ukumkani waseBhabheli, wathumela incwadi nomnikelo kuHezekiya; kuba wayevile ukuba ubesifa, wabuya wachacha.

2Wavuya uHezekiya ngabo, wababonisa indlu yakhe yezinto aziqwebileyo: isilivere, negolide, nobulawu, neoli entle, nendlu yonke yezixhobo zakhe, nento yonke ebikho ebuncwaneni bakhe. Akwabakho nto endlwini yakhe nasekulawuleni kwakhe konke, angababonisanga yona uHezekiya.

3Waya uIsaya umprofeti kukumkani uHezekiya, wathi kuye, Atheni na la madoda? avele ngaphi na ukuza kuwe? Wathi uHezekiya, Avele ezweni elikude eBhabheli, esiza kum.

4Wathi ke, Abone ntoni na endlwini yakho? Wathi uHezekiya, Abone into yonke esendlwini yam; akubangakho nto ndingababonisanga yona ebuncwaneni bam.

5Wathi uIsaya kuHezekiya, Live ke ilizwi likaYehova wemikhosi.

6Uyabona, kuza imihla, eya kuthi yonke into esendlwini yakho, nento abayiqwebáyo ooyihlo, kwada kwayile mini, ithwalelwe eBhabheli, kungasali nto; utsho uYehova.

7Baya kuthabatha nakoonyana bakho abaya kuphuma kuwe, oya kubazala, babe ngababusi ebhotweni lokumkani waseBhabheli.

8Wathi uHezekiya kuIsaya, Lilungile ilizwi likaYehova, olithethileyo. Wathi, Inene, kuya kubakho uxolo nozingiso ngeyam imihla.

UIsaya 40

Isimemezo sokuhlangulwa ekufudusweni

1Thuthuzelani, bathuthuzeleni abantu bam, utsho uThixo wenu.

2Thethani kakuhle neYerusalem, nimemeze kuyo, nithi kuzalisekile ukuphuma kwayo umkhosi; nithi, buhlawulelwe ubugwenxa bayo; nithi, yamkeliswe esandleni sikaYehova okuphindwe kabini kwizono zayo zonke.

3Yivani omemezayo, esithi, Yigeceni entlango indlela kaYehova; tyenenezelani uThixo wethu umendo enkqantosini.

4Yonke imifula mayinyuswe, zonke iintaba neenduli zigungxulwe; iindawo ezimagqagala zibe zithabazi, nemixawuka ibe ziintili;

5butyhileke ubuqaqawuli bukaYehova, ibubone inyama yonke kunye; ngokuba uthethile umlomo kaYehova.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

6Ilizwi lothile lathi, Memeza. Wathi yena, Ndimemeze ntoni na? Yithi, Yonke inyama ibutyani, bonke ubuhle bayo bunjengentyantyambo yasendle.

7Buyoma utyani, iyabuna intyantyambo; ngokuba umoya kaYehova uvuthuza kuyo; inene, abantu babutyani.

8Buyoma utyani, iyabuna intyantyambo; ke lona ilizwi likaThixo wethu liya kuma ngonaphakade.

9Wena Ziyon, mshumayeli weendaba ezilungileyo, nyuka uye entabeni ephakamileyo; wena Yerusalem, mshumayeli weendaba ezilungileyo, liphakamise ngamandla ilizwi lakho, phakamisa ungoyiki. Yithi kwimizi yakwaYuda, Nanko uThixo wenu!

10Uyabona, iNkosi uYehova iya kuza, ingowomeleleyo, ingalo yayo iyilawulela. Uyabona, umvuzo wayo inawo, nomsebenzi wayo uphambi kwayo.

11Iya kuwalúsa umhlambi wayo njengomalusi; iya kuwabutha ngeengalo zayo amatakane, iwathwale ngesifuba sayo, izithundeze ezanyisayo.

Ubungangamsha bukaThixo

12Ngubani na olinganise amanzi la entendeni yesandla sakhe, walilungisa izulu ngomoluko weminwe, walukhongozela uthuli lomhlaba ngomlinganiselo, wazilinganisa iintaba ngesilinganiso, neenduli ngesikali?

13Ngubani na owalungisa uMoya kaYehova, waba yindoda emcebisayo, wamazisa?

14Wácebisana nabani na owamqondisayo, wamfundisa umendo wesiko, wamfundisa ukwazi, wamazisa indlela yokuqonda?

15Yabona, iintlanga zibalelwa ekubeni zinjengethontsi emphandeni, njengesuntswana esikalini. Yabonna, iziqithi zinjengothuli oluqhaphukayo.

16ILebhanon ayilingene kubaswa, neenyamakazi zayo azilingene kuba lidini elinyukayo.

17Zonke iintlanga zinjengento engento phambi kwakhe; kuye zibalelwa ekuthini asizanto, ziluchuku.

18Ningamfanekisa ke nabani na uThixo, ninxulumise mfanekiselo mni na naye?

19Umfanekiso oqingqiweyo utyhidwa yingcibi, awaleke ngegolide umnyibilikisi, awunyibilikisele imixokelelwane yesilivere.

20Okhohliweyo ngumrhumo ukhetha umthi ongenakubola; uzifunela ingcibi eyaziyo, ukuba imlungisele umfanekiso oqingqiweyo ongayi kushukuma.

21Anazi na? aniva na? anixelelwanga na kwasentloko? aniqondanga na kwasekusekweni kwehlabathi?

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Ngulo uhlala phezu kwesazinge sehlabathi, abemi balo ke benjengemicikwane;
ulowaneka izulu njengeqhiya eliyasuyasu, walitwabulula njengentente yokuhlala;

23ulozenza izidwangube ukuba zingabi nto, abagwebi behlabathi abenze babe
luchuku.

24Bengekathi ukutyalwa, bengekathi ukuhlwayelwa, singekathi ukwendelisela
iingcambu emhlabeni isiphunzi sabo, úselebafuthela bome, úbathabathe umoya
ovuthuzayo njengomququ.

25Niya kundifanisa nabani na, ndilingane naye? utsho oyiNgcwele.

26Phakamiselani amehlo enu phezulu, nibone: ngubani na owadala ezi zinto?
Ngulokhupha umkhosi wazo ngamaqela, uzibiza zonke ziphela ngamagama, ngenxa
yobukhulu bokomelela, ekhaliphile ngamandla; akusali nanye.

27Yini na ukuba uthi, Yakobi — uthethe uthi, Sirayeli — Indlela yam isithele
kuYehova, nebango lam lidlule kuThixo wam?

28Akwazi na? akuvanga na, ukuba uThixo ongunaphakade nguYehova, uMdali
weziphelo zehlabathi? Akatyhafi, akadinwa; ayinakugocwagocwa ingqondo yakhe.

29Umnika otyhafileyo amandla, ongenakomelela amandisele ukuqina.

30Namadodana angátyhafa adinwe, nabafana bakhubeke bawe;

31ke bona abathembele kuYehova baya kuhlaziyeka emandleni; banyuke ngamaphiko
njengeenkozi. Baya kugidima bangadinwa, bahambe bangatyhafi.

UIsaya 41

UKoreshi ngummeli kaThixo

1Yithini tu phambi kwam, ziqithi; izizwe mazihlaziye amandla; mazize zisondele,
zandule zithethe; masiqubisane ematyaleni.

2Ngubani na ovuse empumalanga lowo ukhawulelwa bubulungisa ezinyaweni zakhe?
Unikela iintlanga phambi kwakhe, unyathela ookumkani, ubanikela ekreleni lakhe
njengothuli, esaphetheni sakhe njengomququ ophetshethwayo.

3Uyabasukela, udlula enoxolo ngomendo abengawuhambanga ngeenyawo zakhe.

4Ngubani na okusebenzileyo wakwenza oko, obiza izizukulwana kwasentloko? Ndim,
mna Yehova, ndingowokuqala; nakwabangasemva ndikwanguye.

5Iziqithi zabona zoyika, iziphelo zehlabathi zagubha, zasondela, zeza.

6Umntu wamnceda ummelwane wakhe, wathi kumzalwana wakhe, Yomelela.

7Ingcibi yomeleza umnyibilikisi; ogudisayo ngesando womeleza obetha
esikhandelweni, esithi, Kulungile; wasiqinisa ngezikhonkwane, ukuba
singashukumi isithixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ke wena Sirayeli, mkhonzi wam Yakobi, wena ndakunyulayo, mbewu ka-Abraham umthandi wam;

9endakubambayo kwaseziphelweni zehlabathi, endakubizayo kwasemacaleni alo; endathi kuwe, Ungumkhonzi wam wena, ndikunyule, andikucekisile;

10musa ukoyika, kuba ndinawe mna; musa ukubhekabheka, kuba ndinguThixo wakho; ndikukhaliphisile, ewe, ndikuncedile, ndikuxhasile ngesandla sam sokunene sobulungisa bam.

11Yabona, baya kudana bahlazeke bonke abavutha umsindo ngawe; aya kuba yinto engento, adake amadoda abambana nawe.

12Ùya kuwafuna, ungawafumani, amadoda aphikisana nawe; aya kuba yinto engento, engekhoyo, amadoda alwa nawe.

13Ngokuba mna, Yehova Thixo wakho, ndiya kusibamba isandla sakho sokunene; ndingóthi kuwe, Musa ukoyika, ndiya kukunceda mna.

14Musa ukoyika, mbungu Yakobi, bantu bambalwa bakwaSirayeli; ndiya kukunceda mna; utsho uYehova, uMkhululi wakho oyiNgcwele kaSirayeli.

15Yabona, ndikwenzé isisizilo esibukhali esitsha, esintlangothi mbini; uya kuzibhula iintaba uzicole, iinduli uzixelise umququ.

16Ùya kuzela, umoya uzithabathe, umoya ovuthuzayo uziphangalalise; ke wena ugcobe ngoYehova, uqhayise ngoyiNgcwele kaSirayeli.

17Ke abaziintsizana nabangamahlwempu baya kufuna amanzi, angabikho, ulwimi lwabo lomè linxano; mna Yehova ndiya kubaphendula; mna, Thixo kaSirayeli, andiyi kubashiya.

18Ndiya kuyivula imilambo eluqayini, nemithombo phakathi kweentili, ndenze intlango ibe lidike elinamanzi, nomhlaba ongumqwebedu ube ziindawo eziphuma amanzi.

19Ndiya kutyala entlango imisedare, nemingampunzi, nemimirtile, neminquma yasendle, ndimise enkqantosini imisipres, nemipleyini, nemigalagala, ndawonye;

20ukuze babone, bazi, bagqale ngentliziyo, baqiqe kunye, ukuba isandla sikaYehova sikwenzile oko, oyiNgcwele kaSirayeli ukudalile oko.

UYehova ethelekiswa nezithixo zeentlanga

21Sondezani iindawo enibambene ngazo, utsho uYehova; zimiseni iziganeko zenu, utsho uKumkani kaYakobi.

22Mabazizise, basixelele okuza kuhla; mabaxele izinto zangaphambili, ubunjani bazo, sizigqale ngeentliziyo, silazi ikamva lazo; nokuba zezizayo siviseni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Xelani izinto ezizayo ngasemva, ukuze sazi ukuba ningoothixo; ewe, yenzani okulungileyo, nokuba kokubi, sikhwankqiswe, sibonisane ngako.

24Yabonani, ningabento engento, nomsebenzi wenu awuní yaní; úlisikizi oninyulayo.

25Ndivusé owasentla, weza; owasempumalanga, onqula igama lam; uzifikela iirhuluneli njengodaka, njengombumbi exovula udongwe.

26Ngubani na owakuxelayo oko kwasekuqaleni? makavele sazi; owakuxelayo ngenxa engaphambili makavele, sithi, Úlungisile. Hayi, akukho waxelayo; hayi, akukho wavakalisayo; hayi, akukho wazivayo iintetho zenu.

27Ndim endaqala ndathi kwiZiyon, Yabona, nanzo; ndayinika iYerusalem umshumayeli weendaba ezilungileyo.

28Kuba ndakhangela, akwabakho bani; nakwaba akwabakho bacebisi ndingababuzayo, baphendule ngelizwi.

29Yabona, bonke bephela bayinto engento, ziyinto engekhoyo izenzo zabo, imifanekiso yabo etyhidiweyo ingumoya nochuku.

UIsaya 42

Umkhonzi kaYehova

1Mboneni ke umkhonzi wam endimxhasayo; umnyulwa wam, okholwa nguye umphefumlo wam. Ndibeke uMoya wam phezu kwakhe; uya kukuphumelelisa okusesikweni ezintlangeni.

2Akayi kunkqangaza, aliphakamise, alivakalise ezitratweni ilizwi lakhe.

3Ingcongolo evikivekileyo akayi kuyaphula, umsonto oqhumayo akayi kuwucima; uya kukuphumelelisa okusesikweni ngokwenyaniso.

4Akayi kuba nakucinywa, akayi kuvikiveka, ade akumise okusesikweni ehlabathini, zilindele isiyalo sakhe iziqithi.

5Utsho uThixo yena, uYehova, udala izulu, alaneke; utwabulula umhlaba neziveliso zawo; unika abantu abaphezu kwawo ukuphefumla, unika abahamba kuwo umoya:

6ukuthi, Mna, Yehova, ndikubizile ngokobulungisa, ndakubamba ngesandla; ndiya kukulondoloza, ndikwenze umnqophiso wabantu, isikhanyiselo seentlanga;

7ukuba uvule amehlo eemfama, ukuba ukhuphe abakhonkxiweyo ekuvalelweni, abahleli ebumnyameni ubakhuphe entolongweni.

8NdinguYehova, lilo elo igama lam; andiluniki omnye uzuko lwam, nendumiso yam andiyiniki imifanekiso eqingqiweyo.

9Izinto zokuqala, yabona, zifikile; ndixela izinto ezintsha, ke zingekantshuli ndiyanivisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Vumani kuYehova ingoma entsha, indumiso yakhe kwaseziphelweni zehlabathi,
nina bahla baye elwandle, nenzaliseko yalo, nina ziqhithi nabemi bazo.

11Mayiphakamise izwi intlango, nemizi yayo, nemizana ehleli amaKedare;
mabamemelele abemi bengxondorha, batsholoze ezincotsheni zeentaba.

12Mabamzukise uYehova, baxele indumiso yakhe eziqithini.

13UYehova uya kuphuma njengegorha, uya kuxhoxha ikhwele njengendoda yokulwa;
uya kuduma, ewe, uya kunkqangaza; uya kuba ligorha ezintshabeni zakhe.

14Kususela kwakude ndithe quthu, ndathi tu, ndazibamba; ngoku ndiya kubefuza
njengozalayo, ndibe nephika, ndifuthe nokufutha.

15Ndobharhisa iintaba neenduli, ndiyitshise yonke imifuno yazo, imilambo ndiyenze
iziqithi, ndiwatshise amadike.

16Ndozihambisa iimfama ngendlela ezingayaziyo, ndizinyathelise kwiingqushu
ezingazaziyo; ubumnyama ndibenza ukukhanya phambi kwazo, iindawo
ezimagqagala zibe zithabazi. Zizo ezo izinto endiya kuzenza, ndingazishiyi.

17Baya kubuya umva, badane bedanile, abakholosa ngemifanekiso eqingqiweyo,
abathi kwetyhidiweyo, Ningoothixo bethu.

18Yivani, zithulu; bhekani nibone, zimfama.

19Ngubani na oyimfama, ingenguye umkhonzi wam? osisithulu njengomthunywa
wam endimthumayo? Ngubani na oyimfama njengenqogu, oyimfama njengomkhonzi
kaYehova?

20Ubona izinto ezininzi, akazigcini noko; uvula iindlebe, akeva noko.

21UYehova uthande ngenxa yobulungisa bakhe ukuwukhulisa umyalo, wawenza
wanobungangamsha.

22Ke bona ngabantu abaphangiweyo, abahluthiweyo, ababotshelelwe emingxunyeni
bonke bephela, abafakwe ezintolongweni, baba lixhoba, akwabakho mhlanguli; baba
ngabahluthiweyo, akwabakho uthi, Buyisa.

23Ngubani na kuni oya kukubekela indlebe oko, abàze indlebe, eve emveni koku?

24Ngubani na owamnikela uYakobi ekuhluthweni, owamnikela uSirayeli kubaphangi?
AsinguYehova nalowo sonayo kuye, lowo bangavumanga ukuhamba ngeendlela
zakhe, àbawuphulaphula umyalo wakhe?

25Wamphalazela ngobushushu bomsindo wakhe, nangamandla emfazwe; wamlenya
ngomlilo ngeenxa zonke, àkakwazi noko; wamtshisa, noko akakunyamekela oko
ngentliziyo.

UIsaya 43

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukuhlawulelwa kukaSirayeli nokuthunywa kwakhe

1Kaloku ke utsho uYehova, uMdali wakho, Yakobi, uMbumbi wakho, Sirayeli, ukuthi,
Musa ukoyika; ngokuba ndikukhulule ngokukuhlawulela; ndikubizile ngegama lakho,
ungowam.

2Xa uthi uwéle emanzini, ndoba nawe: nasemilanjeni, ayisayi kukuntywilisela; xa uthi
uhambe emlilweni, akuyi kurhawuka, nelangatye lingakutshisi.

3Ngokuba mna, Yehova, ndinguThixo wakho, mna, Ngcwele kaSirayeli,
ndingumsindisi wakho; ndirholé iYiputa yakucamagushela, iKushi neSebha zaba
sesikhundleni sakho.

4Ngenxa yokuba unqabile emehlweni am, uzukile, mna ke ndikuthandile; ndirhola
abantu esikhundleni sakho, nezizwe esikhundleni sobomi bakho.

5Musa ukoyika, ngokuba ndinawe: ndiya kuyizisa imbewu yakho ivela empumalanga,
ndikubuthe nasentshonalanga.

6Ndiya kuthi kumntla, Ethe; nakumzantsi, Musa ukuthintela; nazise oonyana bam
bevela kude, neentombi zam zivela eziphelweni zehlabathi:

7yonke into ebizwe ngegama lam, endiyidalele uzuko lwam, endiyibumbileyo,
endiyenzileyo.

8Khupha abantu abaziimfama benamehlo, nabazizithulu beneendlebe.

9Nonke zintlanga, buthelanani ndawonye, zihlangane izizwe. Ngubani na kuni
onokukuxela oko? Mabasivise izinto zangaphambili, mabamise amangqina abo,
bagwetyelwe; mabeve ke abantu, bathi, Yinyaniso.

10Ningamangqina am, utsho uYehova, nina ningumkhonzi wam endimnyulileyo;
ukuze nazi, nikholwe ndim, niqonde ukuba ndim; phambi kwam akubunjwanga thixo,
nasemva kwam akuyi kubakho namnye.

11Mna ke, mna ndinguYehova, akukho msindisi ingendim.

12Mna ndixelile, ndasindisa, ndabonisa, kungekho thixo wumbi kuni; ningamangqina
am, utsho uYehova, ukuba ndinguThixo.

13Unanamhla ndinguye, akukho unokuhlangula esandleni sam; ndísebenza, ngubani
na ke onokukubuyisa oko umva?

14Utsho uYehova, umkhululi wenu, oyiNgcwele kaSirayeli, ukuthi, Ngenxa yenu
ndithumele eBhabheli, ukuba ndibahlise abasabayo bonke bephela, namaKaledi,
ngeenqanawa zokumemelela kwabo.

15Mna, Yehova, ndingoyiNgcwele wenu, uMdali kaSirayeli, uKumkani wenu.

16Utsho uYehova, umenzi wendlela elwandle, womendo emanzini anamandla;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17umkhuphi wenqwelo nehashe, wempi nentshatshela; baya kulala bangavuki,
bethile, becimile njengomsonto wesibane:

18utsho ukuthi, Musani ukukhumbula izinto zangaphambili, ningazikhathaleli
nezamandulo.

19Yabonani, ndiya kwenza into entsha, intshule ngoku; aniyi kuyazi na? Inene, ndiya
kwenza indlela entlango, nemilambo enkangala.

20Izilo zasendle ziya kundizukisa, iimpungutye neenciniba; ngokuba ndenza amanzi
entlango, nemilambo enkangala, ukuze ndiseze abantu bam, abanyulwa bam.

21Abantu endizibumbeleyo baya kubalisa indumiso yam.

22Akundinqulanga ke mna, Yakobi, ngokude uzixhamle ngam, Sirayeli.

23Akundiziselanga mpahla imfutshane yamadini akho anyukayo; akundizukisanga
ngamibingelelo yakho. Andikukhonzisanga ngaminikelo yakudla, andikudinisanga
ngantlaka imhlophe.

24Akundithengelanga kalamo ngemali, akundihluthisanga ngamanqatha emibingelelo
yakho; hayi, ùndikhonzise ngezono zakho, undidinisile ngobugwenxa bakho.

25Mna ndinguye ocima izikreqo zakho ngenxa yam, ndingazikhumbuli izono zakho.

26Ndíkhumbuze, masimangalelane; misa intetho yakho, ukuze ugwetyelwe.

27Uyihlo wokuqala wóna, nabalamleli bakho bakreqa kum.

28Ngako oko ndabangcolisa ke abathetheli abangcwele, ndamnikela uYakobi ukuba
asingelwe phantsi, uSirayeli ukuba anyeliswe.

UIsaya 44

Ubudenge bonqulo-zithixo; uzuko lukaYehova

1Kaloku ke yiva, Yakobi mkhonzi wam, Sirayeli endikunyulileyo.

2Utsho uYehova uMenzi wakho, uMbumbi wakho kwasesizalweni, uMncedi wakho,
ukuthi, Musa ukoyika, mkhonzi wam Yakobi, Yeshurun endimnyulileyo.

3Ngokuba ndiya kugalela amanzi phezu kwabanxaniweyo, nemiqukuqela yamanzi
phezu kwelizwe elomileyo. Ndiya kugalela uMoya wam phezu kwembewu yakho,
nentsikelelo yam phezu kwenzala yakho.

4Baya kuhluma phakathi kotyani, njengemingculuba engasemisingeni yamanzi.

5Omnye uya kuthi, NdingokaYehova; nomnye uya kunqula igama likaYakobi;
kwanomnye uya kuzibhala ngesandla sakhe kuYehova, alihloniphe igama likaSirayeli.

6Utsho uYehova, uKumkani wakwaSirayeli, uMkhululi wakhe, uYehova wemikhosi,
ukuthi, Ndingowokuqala, ndingowokugqibela; akukho Thixo ingendim.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ngubani na oshumayela njengam — makaxele andicacisele — ethabathela ekumiseni kwam abantu basendaleni? Izinto ezizayo, neziza kubakho, mabazixele.

8Musani ukunkwantya, ningajijitheki; andikuvisanga na kwanini, ndanixelela? Ningamangqina am. Kukho Thixo na, ingendim? Akukho liwa, andilazi mna.

9Abayili bemifanekiso eqingqiweyo bonke bephela baluchuku, neento zabo ezinqwenelekayo azincedi nto; bona bangamangqina azo; ababoni, abazi, ukuze badane.

10Ngubani na oyile uthixo, watyhida umfanekiso ongenakunceda nto?

11Yabona, onke amadlelane awo aya kudana, neengcibi ezo zezasebantwini; mababuthelane bonke bephela, beme, bankwantye, badane kunye.

12Ingcibi yesinyithi ilola inkxola, isebenza ngamalahle avuthayo, isiyila isithixo ngezando, isibenza ngengalo yayo enamandla; kanjalo iyalamba, ingabi namandla; ayiseli manzi, ityhafe.

13Ingcibi yemithi yolula ulutya lokulinganisa, isibabula isiqu saso ngechitywa; isilungisa ngezinto zokuchwela; isibabula isiqu saso ngekompas, isenze ngemfano yendoda, ngokobuhle bomntu, ukuba sihlale endlwini.

14Ugawula imisedare, uthabatha umholem nomoki, akhethe emithini yehlathi; utyala umpayine, imvula iwukhulise.

15Woba ke yinto yokuba umntu aphembe umlilo; athabathe kuwo, othe; uphatha kuthi abase umlilo, ose isonka; uphatha kuthi, enze uthixo, aqubude kuye, enze umfanekiso oqingqiweyo, asibekeke kuwo.

16Inxalenye yawo uyitshisa emlilweni; inxalenye yawo uyidla inyama ngayo; wosa ose ahluthe; ewe, uyotha, athi, Hee ke! ndiyotha, ndiva umlilo!

17Oseleyo kuwo uwenza uthixo, umfanekiso wakhe oqingqiweyo, asibekeke kuwo, aqubude kuwo, athandaze kuwo, athi, Ndíhlangule; ngokuba, ùnguthixo wam.

18Àbazi, àbaqondi; ngokuba avingciwe amehlo abo ukuba angaboni, ukuba iintliziyo zabo zingaqiqi;

19banganyamekeli ngeentliziyo zabo, kungabikho kwazi, kungabikho kuqonda, ukuba bathi, Inxalenye yawo ndiyitshisile emlilweni; ewe, ndosa isonka emalahleni awo; ndosa inyama, ndadla; oseleyo kuwo ndiya kuwenza amasikizi na? ndisibekeke na kwinto evele emthini?

20Esukelana nothuthu nje, intliziyo edetshiselweyo imtyekisile kangangokuba angawuhlanguli umphefumlo wakhe, athi, Akukho buxoki na esandleni sam sokunene?

21Khumbula ezo zinto, Yakobi, Sirayeli, ngokuba ungumkhonzi wam; ndikubumbile, ungumkhonzi kum; Sirayeli, akuyi kulityalwa ndim.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Ndilucimile njengelifu elingqingqwa ukreqo lwakho, nezono zakho njengelifu elisibekeleyo; buyela kum, ngokuba ndikukhulúle ngokukuhlawulela.

23Memelelani, mazulu, ngokuba uYehova ekwenzile; dumani, zinzulu zehlabathi; gqabhukani nimemelele, zintaba, hlathi, nani nonke mithi ekulo; ngokuba uYehova emhlawulele wamkhulula uYakobi, ezihombisile ngoSirayeli.

UYehova, iNkosi yabo bonke, umthumile uKoreshi

24Utsho uYehova, uMkhululi wakho, uMbumbi wakho kwasesizalweni, ukuthi, Mna Yehova ndinguMenzi weento zonke; uManeki wezulu ndedwa; uMtwabululi wehlabathi ndingenabani;

25uMtshitshisi wemiqondiso yabaphololoza into engeyiyo; uMgezisi wabavumisayo; uMbuyisi wezilumko umva; uMzulisi wokwazi kwazo;

26uMmisi welizwi lomkhonzi wakhe; uMzalisi wecebo labathunywa bakhe; uNdithi kwiYerusalem, Iya kumiwa; nakwimizi yakwaYuda, Iya kwakhiwa, ndiwamise amanxuwa ayo;

27uNdithi kumanzi enzonzobila, Yitshani, ndiyomise imilambo yakho;

28uNdithi kuKoreshi, Ngumalusi wam, oya kukuzalisa konke ukuthanda kwam; athi kwiYerusalem, Mayakhiwe; nakwitempile, Mayisekwe.

UIsaya 45

Izizwe zeentlanga ziguqukela kuThixo kaSirayeli

1Utsho uYehova kumthanjiswa wakhe, kuKoreshi, endimbambe ngesandla sokunene, ukuba ndizinyathele iintlanga phambi kwakhe; ndikhulùle amanqe ookumkani, ukuba ndizivule iingcango ezingambini, namasango angabi nakuvalwa:

2ukuthi, Ndiya kuhamba phambi kwakho, ndilungelelanise iindawo ezimaqhubu, ndiqhekeze iingcango zobhedu, ndixakaxe nemivalo yesinyithi;

3ndikunike ubuncwane obusemnyameni, neengqwebo ezisezintsithelweni; ukuze wazi, ukuba mna Yehova ndingulo ukubize ngegama, uThixo kaSirayeli.

4Ngenxa yomkhonzi wam uYakobi, uSirayeli umnyulwa wam, ndakubiza ngegama lakho, ndakuthiya namanye amagama, ungàndazi.

5NdinguYehova; akukho wumbi, akukho Thixo ingendim.

6Ndakubhinqa ungàndazi, ukuze bazi, bethabathela ekuphumeni kwelanga bese nasekutshoneni kwalo, ukuba akukho namnye ingendim; ndinguYehova, akukho wumbi.

7NdinguMenzi wokukhanya, uMdali wobumnyama, uMenzi woxolo, uMdali wobubi: mna Yehova ndinguMenzi wezo zinto zonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Vuzisani, mazulu phezulu síkhumezele ubulungisa isibhakabhaka; mawuvuleke umhlaba, uqhame usindiso, uhlumise ubulungisa kunye: mna Yehova ndikudalile oko.

9Yeha ke, obambana noMenzi wakhe! Ligophe emagopheni ezitya zomdongwe! Udongwe lunokuthi na kumbumbi walo, Wènza ntoni na? nomsèbenzi wakho unokuthi na, Akunazandla?

10Yeha ke, othi kuyise, Ùzaleleni na? nakumfazi, Ùnanimba ngani na?

11Utsho uYehova, oyiNgcwele kaSirayeli, uMenzi wakhe, ukuthi, buzani kum izinto ezizayo; oonyana bam nomsebenzi wezandla zam wuyalezeni kum.

12Mna ndenza ihlabathi, ndadala abantu phezu kwalo; izandla zam, mna lo zaneka izulu, nomkhosi walo wonke ndawuwisela umthetho.

13Mna ndimvelisile ngobulungisa, ndiya kuzilungelelanisa iindlela zakhe zonke. Yena uya kuwakha umzi wam, abakhulule abafuduswa bam, kungarholwanga nani, kungarholwanga sicengo; utsho uYehova wemikhosi.

14Utsho uYehova ukuthi, Ukuxelenga kweYiputa nokurhweba kukaKushi nokwamaSebha, abafo abanewonga, kuya kuwelela kuwe kube kokwakho. Baya kuhamba emva kwakho, baya kuwela benemixokelelwane, baqubude kuwe; baya kuthandaza kuwe, besithi, Inene, úkuwe uThixo; akusekho thixo, akukho nokuba abe mnye.

15Inyaniso, ùnguThixo ozisithelisayo, Thixo kaSirayeli, Msindisi.

16Baya kudana, kananjalo bahlazeke bonke bephela; baya kuhamba behlazekile kunye abaziingcibi zezithixo.

17USirayeli uya kusindiswa nguYehova ngosindiso olungunaphakade; aniyi kudaniswa, aniyi kuhlazeka, kude kuse emaphakadeni asephakadeni.

18Ngokuba utsho uYehova, uMdali wezulu (nguye uThixo), uMenzi wehlabathi, uMseki walo, yena walizinzisayo (akalidalelanga ukuba kube senyanyeni, walibumba ukuba limiwe), ukuthi, NdinguYehova, akukho wumbi.

19Andithethanga entsithelweni, endaweni emnyama yelizwe; anditshongo embewini kaYakobi ukuthi, Ndiquqeleni enyanyeni. Mna Yehova ndithetha ubulungisa, ndixela into ethe tye.

20Buthani nize, sondelani kunye, nina basindileyo basezintlangeni: àbanakwazi ábathwali bomthi womfanekiso wabo oqinqiweyo, ábathándazi bothixo ongásindisiyo.

21Xelani, nifikise; ewe, mabacebisane kunye, ukuthi, Ngubani na owavisa oko kwabamandulo, owakuxelayo kwanini? Asindim na Yehova, ekungekho Thixo wumbi ingendim? UThixo onobulungisa, osindisayo, akakho ingendim.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Bhekani kum, nisindiswe, nonke ziphelo zehlabathi; ngokuba ndinguThixo, akukho wumbi.

23Ndizifungile, ilizwi liphume emlonyeni ngobulungisa, aliyi kuguqulwa; lithe, Aya kuguqa kum onke amadolo, zifunge mna zonke iilwimi;

24kuthiwe ngokubhekisele kum, KuYehova yedwa bubulungisa namandla, kuyiwa kuye; baya kudana bonke abavutha ngomsindo ngaye.

25NgoYehova iya kugwetyelwa iqhayise yonke imbewu kaSirayeli.

UIsaya 46

Ukuthelekiswa kukaYehova nezithixo zaseBhabheli

1UBhele uyaguqa, uNebho uya bhanyalaza; izithixo zabo zibekwe emaqegwini nasezinkomeni ezitsalayo; ezi nibe nizithwala zibotshiwe, zingumthwalo kwizinto ezityhafileyo.

2Izithixo zabhanyalaza, zaguqa kunye, azaba nakuzisiza ekuthwaleni, ke inkqu yazo yaya ekuthinjweni.

3Phulaphulani kum, ndlu kaYakobi, nonke masalela endlu kaSirayeli, nina nabekwayo phezu kwam kwasesiswini, nina nathwalwayo ndim kwasesizalweni;

4kude kuse ebudaleni ikwandim, kude kuse ezimvini ndiya kunityatha emagxeni mna. Ndikwenzile mna; ndiya kunithwala mna, ndiya kunityatha emagxeni mna, ndinisize.

5Ninokundifanisa, nindilinganise, nindinxulumise nabani na, ukuba sifane?

6Bona bawohloza igolide engxoweni, balinganise isilivere ngesikali; baqesha umnyibilikisi, ayenze isithixo; basibekeke, ewe, baqubude.

7Bayasithwala, basityathe emagxeni, basibeke phantsi endaweni yaso, sime; asibuyi sisuke kuloo ndawo yaso; ewe, bayakhala kuso, singaphenduli; àsisindisi bani embandezelweni yakhe.

8Khumbulani oko, nibe ngamadoda; kunyamekeleni ngentliziyo, nina bakreqileyo.

9Khumbulani izinto zangaphambili, zasephakadeni, okokuba ndinguThixo, akukho wumbi; ndinguThixo, akukho namnye unjengam;

10ukuxelayo kwasekuqaleni okungasemva, nakwabamandulo okungekenzeki, ndisithi, Icebo lam liya kuma, ndikwènze konke ukuthanda kwam;

11ndíbiza ukhozi empumalanga, indoda yecebo lam ezweni elikude; ndítshilo, ewe, ndiya kukufeza; ndíyilile, ewe, ndiya kukwenza.

12Phulaphulani kum, nina bantliziyo ilukhuni, bakude nobulungisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ndisondeza ubulungisa bam, abuyi kuba kude; nosindiso lwam aluyi kulibala;
ndinika usindiso eZiyon, uzuko lwam kuSirayeli.

Ulsaya 47

Umemelelo ngokuwa kweBhabheli

1Yihla, uhlale eluthulini, nkazanandini, ntombi inguBhabheli; hlala phantsi emhlabeni
ungenatrone, ntombi ingamaKaledi; ngokuba akuyi kuba sathiwa uyimvoco,
noxhamla ubuncwane.

2Thabatha amatye, usile umgubo; bhenqa isigqubuthelo sakho, finyezela phezulu,
tyhila umlenze, wela imilambo.

3Mabutyhileke ubuzé bakho, kubonakale nokungcikiveka kwakho; ndiya
kuphindezela, andiyi kubuka mntu.

4Umkhululi wethu, igama lakhe nguYehova wemikhosi, oyiNgcwele kaSirayeli.

5Hlala uthi cwaka, ungene emnyameni, ntombi ingamaKaledi; ngokuba akuyi kuba
sabizwa ngokuba uyinkosikazi yezikumkani.

6Ndába noburhalarhume kubantu bam, ndalingcolisa ilifa lam, ndabanikela ezandleni
zakho; akwaba namfesane kubo; naphezu kwamadoda amakhulu wayenza yanzima
kakhulu idyokhwe yakho.

7Ubusithi, Ndiya kuba yinkosikazi ngonaphakade; wada akwakunyamekela oko
ngentliziyo, akwalikhumbula ikamva lakho oko.

8Kaloku ke yiva oku, wena mxhamli weziyolo, uhleliyo ukholosile, wena uthi
entliziyweni yakho, Ndim kwaphela, akukho wumbi; andiyi kuhlala ndingumhlolokazi,
andiyi kukwazi ukungabi nabantwana.

9Ziya kukuzela ezo zinto zombini ngephanyazo, ngamini-nye, ukungabi nabantwana
nobuhlolokazi; ziya kukuzela ngokugqibelela kwazo ebuninzini bokukhafula kwakho,
enkitheni eninzi yomabophe bakho.

10Ngokuba ukholose ngezinto zakho ezimbi, wathi, Akukho undibonayo; ubulumko
bakho nokwazi kwakho kúko okukuphambanisileyo; wathi entliziyweni yakho, Ndim
kwaphela, akukho wumbi.

11Bokuzela ke ububi, ungakwazi ukubunyanga; ikuwele inkohlakalo, ungabi nako
ukuyicamagushela; ikuzele ngesiquphe intshabalala ongayaziyo.

12Khawumise ngomabophe bakho, nangokukhafula kwakho okuninzi, ozixhamle
ngako kwasebuncinaneni bakho; mhlawumbi ungaba nokunceda, mhlawumbi
ungaba nokweyisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ùdiniwe bubuninzi bamaqhinga akho; mabamise kaloku, bakusindise oonocanda bezulu, oojongiinkwenkwezi, abakwazisayo ekuthwaseni kwenyanga ngenyanga izinto ezikuzelayo.

14Yabona, basuke baba njengeendiza; umlilo ubatshisile; abanakuwuhlangula umphefumlo wabo emandleni elangatye; akukho lahle lakuzifudumeza, akukho mlilo kungahlalwa phambi kwawo.

15Boba njalo kuwe abo uzixhamle ngabo, ababerhwebelana nawe kwasebuncinaneni bakho; elowo uya kundwendwela ecaleni lakhe, kungabikho ukusindisayo.

UIsaya 48

Iinkani zikaSirayeli

1Yivani oko, ndlu kaYakobi, nibizwayo ngegama likaSirayeli, naphumáyo emanzini kaYuda; nina nilifungayo igama likaYehova, nimkhankanye uThixo kaSirayeli, kungenganyaniso, kungengabulungisa.

2Ngokuba bazibiza ngokuthi ngabomzi ongcwele, bazixhase ngoThixo kaSirayeli, ogama lakhe linguYehova wemikhosi.

3Izinto zangaphambili ndazixela kwanîni; zaphuma emlonyeni wam, ndazibonakalalisa; ndazenza ngesiquphe, zabakho.

4Ngokukwazi kwam ukuba ùlukhuni, nentamo yakho ingumsipha wesinyithi,

5nebunzi lakho lilubhedu, ndakuxelela ezo zinto kwanîni; zingekafiki ndakuvisa, hleze uthi, Isithixo sam sizenzile, umfanekiso wam oqingqiweyo notyhidiweyo uzimisile.

6Ùvile; sikhangele zonke ziphela; wena ke akunakuzixela na? Ndiya kukuvisa izinto ezintsha, ezifihlakeleyo, obungazazi.

7Zidalwa ngoku, azidalwanga kwanîni; ingekabikho le mini, ubungaziva; hleze uthi, Yabona, bendizazi.

8Ubungàziva; ubungàzazi; ibingavulekile indlebe yakho kwanîni. Kuba bendisazi ukuba unginiza unginizile; ukubizwa kwakho kuthiwa ungumkreqi kwasesizalwani.

9Ngenxa yegama lam ndizeka kade ukuba nomsindo, nangenxa yendumiso yam ndiyawubamba ngakuwe, ukuze ndingakunqumli.

10Uyabona, ndikunyibilikisile, akwaba ngokwesilivere; ndakucikida ezikweni leentsizi.

11Ndikwenza oko ngenxa yam, ngenxa yam (hayi, ukuhlanjelwa kwegama lam!); andiluniki wumbi uzuko lwam.

UYehova uya kumhlawulela uSirayeli ngoKoreshi

12Phulaphula kum, Yakobi, Sirayeli, mbizwa wam; ndim, ndingowokuqala, ewe, ndingowokugqibela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ewe, isandla sam siseke ihlabathi, esokunene sam saneke izulu; ndithi ndakuzibiza
ezo zinto, zime kunye.

14Zihlanganiseni, nonke niphela, nive; ngubani na phakathi kwezithixo owazixelayo
ezo zinto? Umthandwa kaYehova uya kukwenza ukuthanda kwakhe kwiBhabheli,
nengalo yakhe ikwenze kumaKaledi.

15Mna nditshilo, ewe, ndimbizile, ndimzisile; inempumelelo indlela yakhe.

16Sondelani kum, nive oku. Kwasekuqaleni andithethanga entsithelweni; kususela
kwixesha lokwenzeka kwako oko, ndilapha; nangoku iNkosi uYehova indithumile,
mna noMoya wayo.

17Utsho uYehova, umkhululi wakho, oyiNgcwele kaSirayeli, ukuthi, Mna Yehova,
Thixo wakho, ndingokufundisa okungakuncedayo, ndikunyathelise ngendlela oya
kuhamba ngayo.

18Akwaba imithetho yam ubuyibazele indlebe! Beluya kuba njengomlambo uxolo
lwakho, nobulungisa bakho bube njengamaza olwandle;

19ibiya kuba njengentlabathi imbewu yakho, abaphuma ezibilinini
zakho babe njengamasuntsu ayo; belingayi kunqunyulwa litshabalale igama labo
ebusweni bam.

20Phumani eBhabheli, sabani kwelamaKaledi; kuxeleni ninelizwi lokumemelela,
kuvakaliseni oku, kuhlabeleni kuye naseziphelweni zehlabathi; yithini, UYehova
umkhulule ngokumhlawulela umkhonzi wakhe uYakobi.

21Abanxanwanga, ebahambisa engqaqasini; wabatsitsisela amanzi eweni, wacanda
iliwa, atsaza amanzi.

22Akukho luxolo kwabangendawo, utsho uYehova.

UIsaya 49

Ukubizwa nokuthunywa komkhonzi kaYehova

1Phulaphulani kum, ziqithi; bazani indlebe, zizwe zikude; uYehova undibize
kwasesizalweni, ulikhankanye kwasezibilinini zikama igama lam.

2Wawenza umlomo wam wanjengekrele elibukhali, wandizimeza esithunzini
sesandla sakhe, wandenza utolo olubaziweyo, wandisithelisa emphongolweni; wathi
kum,

3Ungumkhonzi wam, wena Sirayeli, endiya kuhomba ngaye.

4Ndathi mna, Ndifumane ndazixhamla, ndawaphelisa amandla am ngochuku,
nangento engento; noko ibango lam likuYehova, nomvuzo wam unoThixo wam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Kaloku ke uthi uYehova, owandibumba kwasesizalweni, ukuba ndibe ngumkhonzi
kuye wokubuyisela uYakobi kuye, uSirayeli ahlanganiselwe kuye (ndizukile
emehlweni kaYehova, uThixo wam waba ngamandla am);

6uthi ke, Kuyinto elula ukuba ube ngumkhonzi kum wokumisa izizwe zakwaYakobi,
ubuyise abalondolozwa bakaSirayeli; kananjalo ndiya kukwenza isikhanyiso
seentlanga, ukuba ube lusindiso lwam, ude uze eziphelweni zehlabathi.

Ukuhlangulwa kukaSirayeli

7Utsho uYehova, uMkhululi kaSirayeli, oyiNgcwele wakhe, komphefumlo udelekileyo,
kongamasikizi ezintlangeni, kumkhonzi wezilawuli, ukuthi, OoKumkani baya kubona,
basuke beme, nabathetheli babone, baqubude ngenxa kaYehova onyanisekileyo,
oyiNgcwele kaSirayeli, ngokokuba ekunyule.

8Utsho uYehova ukuthi, Ngexesha elamkelekileyo ndikuphéndule, ndakunceda
ngemini yosindiso. Ndiya kukubumba, ndikunike ukuba ube ngumnqophiso wabantu,
ukuba ulimise ilizwe, ukuba uwabe amafa angamanxuwa;

9uthi kubabanjwa, Phumani; kwabasemnyameni, Velani. Baya kudla ngokomhlambi
ezindleleni, amadlelo abo abekho naseluqayini lonke.

10Abayi kulamba, abayi kunxanwa, abayi kubethwa sisangá nalilanga; ngokuba
onemfesane kubo uya kubaqhuba, abathundezele emanzini ampompozayo.

11Ndiya kuzenza zonke iintaba zam zibe ziindlela, uphakame umendo wam.

12Yabona, aba baya kuvela kude; yabona, aba baya kuvela kwelasentla naselwandle,
aba bavele ezweni lamaSini.

13Memelelani, mazulu; gcoba, hlabathi; gqabhukani nimemelele, zintaba; ngokuba
uYehova ubathuthuzele abantu bakhe, unemfesane kwabaziintsizana zakhe.

14Ke yathi iZiyon, UYehova undishiyile, iNkosi yandilibala.

15Umfazi angàlulibala yini na usana lwakhe, ukuba angabi namfesane kunyana
wesizalo sakhe? Nokuba oonina abo bathe balibala, andiyi kukulibala mna.

16Ùyabona, ndikuvambile ezintendeni zezandla zam; iindonga zakho zihlala zimi
phambi kwam.

17Oonyana bakho bayakhawuleza, bayeza; abagungxuli bakho nabachithi bakho
bayaphuma kuwe.

18Phakamisa amehlo akho ngeenxa zonke, ubone; bonke bephela bayahlanganisana,
beza kuwe. Ndihleli nje, utsho uYehova, ùya kubanxiba bonke bephela
njengezivatho, ubabhinqe ngokombhinqo womtshakazi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Ngokuba amanxuwa akho la, neendawo zakho ezigungxuliweyo, nelizwe lakho elichithakeleyo — inene, ngoku ùya kuxinana ngabemi kulo, babe kude abaginyi bakho.

20Basaya kuthi ezindlebeni zakho oonyana bakho obubahluthiwe, Indawo ixinene kum, ndíkhwelele, ndihlale; ùya kuthi entliziyweni yakho,

21Ngubani na lo undizalele aba? Mna bendihluthiwe abantwana nje, ndaba ludlolo, ndafuduswa, ndagxothwa; ke aba bakhuliswe ngubani na? Uyabona, mna bendisele ndedwa; aba babephi na?

22Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Uyabona, ndisiphakamisela ezintlangeni isandla sam, ndiyinyusele ezizweni ibhanile yam, zibazìse ke oonyana bakho, zibawole ngeengalo, neentombi zakho zithwalwe ngamagxa,

23OoKumkani baya kuba ngabondli bakho, namakhosikazi abo abe ngabanyisi bakho. Baya kuqubuda kuwe, bese ubuso emhlabeni, bakhothe uthuli lweenyawo zakho; wazi ke ukuba ndinguYehova, obathembi bakhe bangayi kudana.

24Anokuthatyathwa na amaxhoba kwigorha, basinde na abathinjiweyo bengamulungisa?

25Inene, utsho uYehova ukuthi, Nabathinjwe ligorha baya kuthatyathwa, namaxhoba omngcangcazelisi aya kusinda; ke obambana nawe, mna ndiya kubambana naye, ndibasindise mna oonyana bakho.

26Abakuxinzelela phantsi ndobadlisa eyabo inyama, banxiliswe lelabo igazi ngathi kungewayini entsha; yázi inyama yonke, ukuba mna, Yehova, ndinguMsindisi wakho, ukuba uMkhululi wakho ngOnamandla kaYakobi.

UIsaya 50

Ukukholosa komkhonzi ngoYehova

1Utsho uYehova ukuthi, Iphi na incwadi yokwaliwa kukanyoko, endamgxotha ngayo? Khona kwabandibolekáyo, uphi na lowo ndathengisa ngani kuye? Yabonani, kwathengiswa ngani ngenxa yobugwenxa benu; wagxothwa unyoko ngenxa yezikreqo zenu.

2Yini na ukuba ndifike, kungekho mntu? ndibize, kungabikho usabelayo? Sifutshane kakhulu na isandla sam ukuba singakhululi? Akakho na kum amandla okuhlangula? Yabonani, ngokukhalima kwam ndomisa ulwandle, imilambo ndiyenze intlango; ziyabola iintlanzi zayo, ngokuba kungekho manzi, ziyafa kukunxanwa;

3ndàmbesa izulu ngezimnyama zokuzila, ndenze ezirhwexayo zibe sisigubungelo salo.

4INkosi uYehova indinike ulwimi lwabafundileyo, ukuze ndikwazi ukuzimasa otyhafileyo ngelizwi. Ivusa imiso ngemiso, indivusela indlebe ukuba ndive ngokwabafundileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5INkosi uYehova indivule indlebe: ke mna àndenza zinkani, andabuya umva.

6Ndawunikela umhlana wam kubabethi, nezidlele zam kubadlathuli beendevu; andibusithelisanga ubuso bam ehlazweni nasekutshicelweni.

7Ke iNkosi uYehova iya kundinceda; ngenxa yoko andihlazekanga; ngenxa yoko ndabenza ubuso bam banjengeqhwitha; ndiyazi ukuba andiyi kudana.

8Usondele ondigwebelayo; ngubani na oya kubambana nam? masime ndaweni-nye. Ngubani na ummangaleli wam? makeze kum.

9Uyabona, INkosi uYehova iya kundinceda; ngubani na yena oya kundigweba? Yabona bonke bephela baya konakala njengengubo, amanundu aya kubadla.

10Ngubani na kuni owoyika uYehova, ophulaphula izwi lomkhonzi wakhe? Ohamba emnyameni, kungabi mhlophe kuye, makakholose ngegama likaYehova, ayame kuThixo wakhe.

11Yabonani, nonke niphela, nina baphemba umlilo, baxhobe iintolo ezinomlilo, hambani niye elangatyeni lomlilo wenu, nasezintolweni ezinomlilo enizivuthisileyo. Ke esandleni sam nantsi into eniya kuyizuza; niya kulala phantsi ninembulaleko.

UIsaya 51

USirayeli ukhuthazwa kukukhumbula izenzo zikaYehova

1Phulaphulani kum, nina babusukelayo ubulungisa, bamquqelayo uYehova; bhekani eweni enaxholwa kulo, nasesigingqini somhadi enembiwa kuwo.

2Bhekani kuAbraham uyihlo, nakuSara owanizalayo; kuba waye emnye ndakùmbiza, ndakùmsikelela, ndakùmandisa.

3Ngokuba uYehova uyithuthuzele iZiyon, uwathuthuzele onke amanxuwa ayo, wayenza intlango yayo yanjenge-Eden, nenkqantosi yayo yanjengomyezo kaYehova; kufumaneka imihlali nemivuyo kuyo, imibulelo nezwi lohadi.

4Ndibazeleni indlebe, bantu bam; ndibekeleni indlebe, sizwe sam; ngokuba isiyalelo siya kuphuma kum, ndilizinzise isiko lam, ukuba libe sisikhanyiso sezizwe.

5Busondele ubulungisa bam, luphumile usindiso lwam; iingalo zam ziya kugweba izizwe, iziqithi zithembèle kum, zilindèle engalweni yam.

6Phakamiselani ezulwini amehlo enu, nibheke nasemhlabeni phantsi; ngokuba izulu liya kuthi shwaka njengomsi, wonakale umhlaba njengengubo, nabemi bawo bafe ngokunjalo, lube ngonaphakade lona usindiso lwam, bungàqotywa ubulungisa bam.

7Phulaphulani kum, nina nibaziyo ubulungisa, bantu banesiyalo sam entliziyweni yabo; musani ukukoyika ukungcikiva kwabafo, ningaqhiphuki umbilini kukunyelisa kwabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Kuba amanundu aya kubadla njengengubo, umbungu ubadle njengoboya begusha;
ke bona ubulungisa bam buya kuba ngunaphakade, nosindiso lwam lube
kwizizukulwana ngezizukulwana.

9Vuka, vuka, nxiba amandla, ngalo kaYehova! Vuka, njengokwemihla yamandulo,
njengokwezizukulwana zaphakade! Asinguwe na lowa wachitha uRahabhi, wayihlaba
ingwenya?

10Asinguwe na lowa womisa ulwandle, amanzi enzonzobila enkulu; iinzulu zolwandle
wazenza indlela yokuwela abahlawulelweyo?

11Ke abakhululwa bakaYehova baya kubuya babuye, beze eZiyon bememelela,
benovuyo olungunaphakade phezu kweentloko zabo; baya kufumana imihlali
nemivuyo, sisabe isingqala nokuncwina.

12Mna ndinguye uMthuthuzeli wenu; ùngubani na wena, ukuba woyike umfo oza
kufa, nonyana womntu owenziwe wanga yingca;

13ukuba umlibale uYehova uMenzi wakho, uManeki wezulu, uMseki wehlabathi;
ukuba uhlale unkwantya imini yonke bubushushu bombandezeli, ngokokuba exunela
ukonakalisa; buphi na ke ubushushu bombandezeli?

14Ogotyiweyo ngamakhamandela wobehle akhululwe, angafeli esihogweni,
angasisweli isonka sakhe.

15Kuba ndinguYehova uThixo wakho, uMlatyuzisi wolwandle, agqume amaza alo,
ogama lakhe linguYehova wemikhosi.

16Ndiwabekile amazwi am emlonyeni wakho, ndakugubungela ngesithunzi sesandla
sam, ukuba ndityale izulu, ukuba ndiseke ihlabathi, ukuba ndithi kwiZiyon,
Ningabantu bam.

Usizi lweYerusalem lokhwelela uvuyo

17Zivuse, zivuse, suk' ume, Yerusalem, wena uyiseleyo esandleni sikaYehova indebe
yobushushu bakhe; uyiselé wayifinca indebe enombilini ehexisayo.

18Bekungekho namnye uyithundezayo iYerusalem, phakathi koonyana bonke
eyabazalayo; bekungekho namnye uyibambe ngesandla, phakathi koonyana bonke
eyabakhulisayo.

19Zazimbini izinto ezakuhlelayo; ngubani na owakukhuzayo? Yimbuqo nokwaphuka,
yindlala nekrele; bendingathini na ukukuthuthuzela?

20Oonyana bakho bawa isiduli, balala emantloko ezitrato zonke, njengeula eli
libanjisiweyo; bazele bubushushu bukaYehova, kukukhalima koThixo wakho.

21Ngako oko, khawuve le nto, wena ludwayinge, unxilayo kodwa kungengayo
iwayini;

© 1975 Bible Society of South Africa.

22itsho iNkosi yakho uYehova, uThixo wakho obathethelelayo abantu bakhe, ukuthi,
Yabona, ndiyayithabatha esandleni sakho indebe ehexisayo, indebe enombilini
yobushushu bam; akusayi kuphinda usele kuyo.

23Ndoyibeka esandleni sabakwenza isingqala, ababesithi kumphefumlo wakho,
Qubuda sigqithe, waza wena wawenza umhlana wakho wanjengomhlaba,
wanjengesitrato kwabagqitha phezu kwawo.

UIsaya 52

Ibuyambo ezukileyo kwiYerusalem

1Vuka, vuka, nxiba amandla akho, Ziyon! Nxiba iingubo zakho zokuhomba,
Yerusalem, mzi ungcwele! Kuba akuyi kuba saphinda kungene kuwe ongalukanga,
noyinqambi.

2Zivuthulule uthuli; suk' ume, hlala phantsi, Yerusalem; zíkhulule iimbophelelo
zentamo yakho, mthinjwa, ntombi inguZiyon.

3Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Kwathengiswa ngani ngelizé; aniyi kuhlawulelwa
nikhululwe ngamali.

4Kuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Abantu bam behla baya eYiputa ekuqaleni, ukuba
baphambukele khona; ke ama-Asiriya abacudisa kungekho sizathu.

5Kaloku ke yintoni na enam apha, utsho uYehova, bethatyathwe ngelizé nje abantu
bam? Abalawuli babo bayabhomboloza, utsho uYehova; igama lam lihlala ligitywa
imini yonke.

6Ngako oko abantu bam baya kulazi igama lam; ngako oko baya kwazi ngaloo mini
ukuba ndinguye lowo uthi, Ndingokhoyo.

7Hayi, ukuba zintle kwazo ezintabeni iinyawo zabashumayela iindaba ezimnandi,
zabavakalisa uxolo, zabashumayela iindaba ezilungileyo, zabavakalisa usindiso;
zabathi kwiZiyon, Úyalawula uThixo wakho!

8Phulaphula ilizwi lababoniseli bakho. Baliphakamisa kunye ilizwi, bayamemelela;
ngokuba bekubona iliso kwiliso ukuyibuyisa kukaYehova iZiyon.

9Gqobhokelani ekumemeleleni kunye, manxuwa aseYerusalem; ngokuba uYehova
ubathuthuzele abantu bakhe, uyihlawulele wayikhulula iYerusalem.

10UYehova uyihlubile ingalo yakhe engcwele emehlweni eentlanga zonke; zonke
iziphelo zehlabathi ziya kulubona ke usindiso loThixo wethu.

11Mkani, mkani, phumani apho; musani ukuphatha nto iyinqambi; phumani phakathi
kwayo; zenzeni nyulu, nina bathwali beempahla zikaYehova.

12Ngokuba aniyi kuphuma buphuthuphuthu, nihambe ngokusaba; kuba uYehova
uhamba phambi kwenu, uMqoshelisi wenu nguThixo kaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Intsingiselo yembandezelo yomkhonzi kaYehova

13Yabonani, umkhonzi wam uya kwenza ngengqiqo, uya kuphakama, athi gqi, anyuke kakhulu.

14Kwanjengokuba babemangaliswa nguwe abaninzi (ibinje ukonakala imbonakalo yakhe, ukuda ingabi yeyomntu, nesithomo sakhe ukuda singabi sesoonyana baka-Adam):

15ngokunjalo yena uya kubetha zithi makatha iintlanga ezininzi; ngenxa yakhe ookumkani baya kuthi khamnqa; ngokuba baya kukubona abangazanga bakubaliselwe, bakugqale abangazanga bakuve.

UIsaya 53

1Ngubani na okholiweyo ludaba lwethu, nengalo kaYehova ityhileké kubani na?

2Kuba yena umkhonzi unyuka njengegatya phambi kwakhe, njengehlumelo eliphuma ezweni elingumqwebedu, engenasithomo nabungangamela; sakukhangela, akwabakho kubonakala ukuba masimnqwenele.

3Údeliwe, ushiyiwe ngabantu; yindoda enomvandedwa, eqhelene nesifo; wanga ngulowo kusitheliswa kuye ubuso, udeliwe, thina ke àsambeka.

4Okwenene, uzithabathele phezu kwakhe izifo zethu, wathwala umvandedwa wethu, ke thina besiba ungobandezelwayo nguThixo, ungocinezelwa nguye.

5Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwakhe; siphiliswé ngemivumbo yakhe.

6Thina zonke salahleka njengeegusha, sabheka elowo endleleni yakhe, waza uYehova wamwela ngobugwenxa bethu sonke.

7Wakhandaniswa, wazithoba, engàwuvuli umlomo wakhe, njengemvana esiwa ekuxhelweni; nanjengegusha esisidenge phambi kwabachebi bayo, àkawuvula umlomo wakhe.

8Uthatyathwé ekuxinweni nasematyaleni; esizukulwaneni sakhe ngubani na owathelekelela ukuthi, unqanyulwe ezweni labaphilileyo, ubandezelwe ngenxa yesikreqo sabantu bakowethu?

9Lamiswa nawaboni ingcwaba lakhe — ke laba nosisityebi, akuba efile; ekubeni engenzanga lugonyamelo, kungabangakho nkohliso emlonyeni wakhe.

10UYehova ke wathanda ukumtyumza nokumvisa isifo. Xa ùthe umphefumlo wakhe wàwenza idini letyala, wóyibona imbewu yakhe, abe nemihla emide; ukuthanda kukaYehova kube nempumelelo ngesandla sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ngokwaphuka komphefumlo wakhe wóbona, aneliswe; ngokwazi kwakhe, umkhonzi wam olilungisa uya kugwebela abaninzi, athwale yena izenzo zabo ezigwenxa.

12Ngako oko ndiya kumahlulela isahlulo nabakhulu, alabe nabanegunya ixhoba, ngethuba lokuba ewuminyele ekufeni umphefumlo wakhe, wavuma ukubalelwa kubakreqi, akubon' ukuba usithabathile phezu kwakhe isono sabaninzi, ebathandazele abakreqi.

UIsaya 54

Ukubuyiswa kweZiyon

1Memelela, ludlolo lungazaliyo; gqabhuka umemelele, utsholoze, wena ungenanimba; ngokuba baninzi abantwana besishiywa, ngaphezu kwabantwana bonendoda; utsho uYehova.

2Yenze banzi indawo yentente yakho, uwatwabulule amalengalenga eminquba yakho, ungathinteli; zolule izintya zakho, uziqinisele izikhonkwane zakho.

3Kuba ùya kutyhobozela ekunene nasekholo, imbewu yakho izidle ilifa iintlanga, iyime imizi ebingamanxuwa.

4Musa ukoyika, ngokuba akuyi kudana; musa ukudideka lihlazo, ngokuba akuyi kuba nazintloni. Ngokuba ukudana kobuntombi bakho ùya kukulibala, ungcikivo lobuhlolokazi bakho ungabi salukhumbula.

5Ngokuba indoda yakho nguMenzi wakho, ogama lakhe linguYehova wemikhosi; nguMkhululi wakho oyiNgcwele kaSirayeli, ekuthiwa nguThixo wehlabathi lonke.

6Ngokuba uYehova ukubize njengomfazi obeshiyiwe, omoya ubulalekileyo, njengomfazi wobutsha, xeshikweni ebethe wacekiswa; utsho uThixo wakho.

7Ndakushiya okwephanyazo elincinane; ndiya kukubutha ngemfesane enkulu.

8Ngomkhukula woburhalarhume ndabusithelisa ubuso bam kuwe okwephanyazo; ndiya kuba nemfesane kuwe ngenceba engunaphakade; utsho uMkhululi wakho uYehova.

9Ngokuba injengonogumbe kaNowa le nto kum; oko ndafungayo ukuba amanzi kaNowa akasayi kuba sahamba phezu kwehlabathi, ngokunjalo ndifungile ukuba andiyi kuba naburhalarhume kuwe, ndingakukhalimeli.

10Ngokuba zingáde zimke iintaba, neenduli zishukume; yona inceba yam ayiyi kumka kuwe, ungashukumi nomnqophiso wam woxolo; utsho onemfesane kuwe, uYehova.

11Wena lusizana, uphetshethwayo ungenantuthuzelo, yabona, ndiwabeka amatye akho kwistibhiya, ndikuseka ngeesafire.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ndolumisa uqoqo lwakho ngeerubhi, namasango akho ngamatye abengezelayo, nemida yakho yonke ngamatye anqabileyo.

13Bonke abantwana bakho baya kuba ngabafundi bakaYehova, lube lukhulu uxolo lwabantwana bakho.

14Ùya kuzinza ngobulungisa; ungakhe uxhale, ngokuba akuyi kuba nakoyika; ungakhe uqhiphuke umbilini, ngokuba akuyi kusondela kuwe.

15Yabona, bayaqukana bahlanganisane, andikho mna kuloo nto; nokuba ngoobani na abaya kuqukana ngawe, baya kuwa ngenxa enawe.

16Yabona, mna ndadala ingcibi efutha umlilo wamalahle, ivelise impahla ngokweshishini layo; kwamna ndadala nomonakalisi wokuyonakalisa.

17Zonke izixhobo ezikhandelwa ukulwa nawe aziyi kuba nampumelelo; zonke iilwimi ezimelene nawe ematyaleni ùya kuzigweba. Lilo eli ilifa labakhonzi bakaYehova, nobulungisa babo obuphuma kum; utsho uYehova.

UIsaya 55

Iintsikelelo zomnqophiso omtsha owenziwa nguYehova

1Wenani! Nonke nina ninxaniweyo, yizani emanzini, nabangenamali; yizani, thengani nidle; yizani, thengani iwayini namasi, ningenaní, ningenamali.

2Yini na ukuba nilinganisele imali ngento engesonka, nokuxelenga kwenu ngento engahluthisiyo? Phulaphulani kum ninyameke, nidle okulungileyo, umphefumlo wenu uxhamle ukutyeba.

3Thobani iindlebe zenu, nize kum; yivani, uphile umphefumlo wenu; ndenzè umnqophiso ongunaphakade nani, iinceba zikaDavide ezinyanisekileyo.

4Yabona, ndimenzé ingqina ezizweni, ingànga nomwisimethetho ezizweni.

5Yabona, ùya kubiza uhlanga ongalwaziyo, uhlanga olungakwaziyo wena lugidimele kuwe, ngenxa kaYehova uThixo wakho, ngenxa yoyiNgcwele kaSirayeli, kuba ekuhombisile.

6Funani uYehova esenokufunyanwa; mbizeni esekufuphi.

7Ongendawo makashiye indlela yakhe, indoda enobutshinga mayishiye iingcinga zayo, ibuyele kuYehova: woba nemfesane kuyo; ibuyele kuThixo wethu ngokuba woxolela ngokukhulu.

8Kuba iingcinga zam asizizo iingcinga zenu, neendlela zenu asizizo iindlela zam, utsho uYehova.

9Inene, njengokuba izulu liwuphakamele umhlaba, ngokunjalo iindlela zam ziziphakamele iindlela zenu, neengcinga zam ziziphakamele iingcinga zenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuba, njengokuba kusihla imvula nekhephu ezulwini, ingabuyeli kulo ingathanga
iwunyakamise umhlaba uvunde, iwuhlumise, iwenze untshule, imnike imbewu
umhlwayeli, imnike isonka odlayo:

11liya kuba njalo ilizwi lam eliphuma emlonyeni wam; aliyi kubuyela kum lilambatha,
lingàkwenzanga endikuthandayo, lingakuphumelelisanga oko ndilithumela kuko.

12Kuba niya kuphuma ninovuyo, nithundèzwe ninoxolo. Iintaba neenduli ziya
kugqabhuka zimemelele phambi kwenu, imithi yasendle ibethe izandla.

13Esikhundleni somqaqoba kuya kuphuma imisedare, esikhundleni serhawu kuya
kunyuka imimirtile; oko kube ligama kuYehova, nomqondiso ongunaphakade ongayi
kunqanyulwa.

UIsaya 56

Iimeko zokuqwalaselwa ngabo banqwenela ukuhlangulwa

1Utsho uYehova ukuthi, Gcinani isiko, nenze ubulungisa; kuba lusondele ukuba luze
usindiso lwam, nobulungisa bam ukuba butyhileke.

2Hayi, uyolo lomntu okwenzayo oku, nonyana womntu obambelela kuko oku; ogcina
isabatha ukuba angayihlambeli; ogcina isandla sakhe ukuba singenzi nanye into
embi.

3Makangatsho ke unyana wolunye uhlanga, lo unamathele kuYehova, ukuthi,
UYehova uya kundahlula kube kanye ebantwini bakhe; malingathi ithenwa, Yabona,
ndingumthi owomileyo.

4Ngokuba utsho uYehova kumathenwa ukuthi, Abazigcinayo iisabatha zam, banyule
endikuthandayo, babambelele emnqophisweni wam,

5ndobanika, endlwini yam nasezindongeni zam, indawo negama elilungileyo
ngaphezu koonyana neentombi; ndobanika igama elingunaphakade elingayi
kunqunyulwa.

6Ke oonyana bolunye uhlanga, abanamathele kuYehova, ukuze balungiselele kuye,
balithande igama likaYehova, ukuba babe ngabakhonzi kuye, bonke abayigcinayo
isabatha bangayihlambeli, ababambelela emnqophisweni wam:

7ndobázìsa entabeni yam engcwele, ndibavuyise endlwini yam yokuthandaza;
amadini abo anyukayo nemibingelelo yabo yokholiseka esibingelelweni sam; kuba
indlu yam kuya kuthiwa yindlu yokuthandaza ezizweni zonke.

8Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ekubabutheni abagxothiweyo bakaSirayeli, ndisaya
kubutha nabanye ngaphaya kwakhe, ngaphaya kwababuthiweyo bakhe.

Ukunyeliswa kwabalawuli abakhohlakeleyo nokunqulwa kwezithixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Nonke marhamncwa asendle, yizani apha; yizani kudla, nonke marhamncwa asehlathini.

10Ababoniseli bakhe baziimfama, bonke bephela àbanakwazi, bonke bephela bazizinja ezizizidenge, ezingenakukhonkotha; zibhuda, zilala, zithanda ubuthongo.

11Ewe, bazizinja ezithanda ukudla, ezingahluthiyo nokuhlutha; banjalo ke abalusi, àbakwazi ukuqonda; bonke bephela babheke kwezabo iindlela, elowo kweyakhe inzuzo, kowakhe ummandla.

12Úthi, Yizani, ndiya kuthabatha iwayini, sisele kunene isiselo esinxilisayo; neyangomso imini ibe njengale, ibe nkulu, incamise kunene.

Ulsaya 57

1Ilungisa liyatshabalala; akukho mntu ke ukunyamekelayo oko ngentliziyo; amadoda anobubele ayemka, akukho mntu ke uqondayo ukuba ilungisa limka phambi kokuba kubekho ububi.

2Lingena eluxolweni; baphumla ezililini zabo ababehambe ngokuthe gca.

3Ke nina, sondelani apha, nyana betolakazi, mbewu yomkrexezi neyehenyukazi.

4Nivuyelela bani na? Nisinekela bani na, ning'ong'oza nje?

5Àningabantwana bokreqo, imbewu yobuxoki, yini na, nina bazitshisekisayo emiterebhintini, phantsi kwemithi yonke eluhlaza; nina babasikayo abantwana ezihlanjeni phantsi kwemiqhokro yeengxondorha?

6Isahlulo sakho saba sematyeni agudileyo esihlambo; wona aba ngamaqashiso akho; kananjalo wawathululela amadini athululwayo, wenyusa iminikelo yokudla kuwo. Mandizithuthùzele na ngezo zinto?

7Entabeni ephakamileyo ende wabeka isilili sakho, wenyuka waya kubingelela imibingelelo nalapho.

8Isikhumbuzo sakho wasibeka emva kocango nomgubasi; ngokuba wathi ungekum wazityhila, wenyuka, wasenza sabanzi isilili sakho, wanqophisana nabo, wathanda kulala nabo, wandlala ukhuko.

9Wahambela kukumkani uneoli, wanyhikiza iziqholo zakho, wazithuma kude izigidimi zakho, wazithoba kwada kwaba kwelabafileyo.

10Wadinwa ngokuba nde kwendlela yakho; àkwathi, Ndincamile; wawafumana ebuya ephila amandla akho ngenxa yoko akuthanga fehlefehle.

11Ubunesithukuthezi ngabani na, ubusoyika bani na, ukuba uthethe amanga, ungandikhumbuli, ungakunyamekeli oko ngentliziyo? Àndithe quthu na kususela kwaphakade, ungandoyiki nje?

12Ndiya kubuxela mna ubulungisa bakho, nezenzo zakho aziyi kukunceda nto.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ekukhaleni kwakho mazikuhlangule iimfumba zezithixo zakho; zonke ziphela zimka nomoya, zithatyathwa ngumphunga. Ke yena okholosa ngam uya kulidla ilifa ilizwe, ayime intaba yam engcwele.

Idinga lobubele likaThixo kwabamhloneleyo

14Uthile wóthi, Fumbani, fumbani, gecani indlela; susani isikhubekiso endleleni yabantu bam.

15Ngokuba utsho ophezulu, owongamileyo, ohleli ngonaphakade, ogama linguNgcwele, ukuthi, Ndihleli phezulu, engcweleni, ndihleli nakotyumkileyo, omoya uthobekileyo; ukuba ndibuye ndiphilise umoya wabathobekileyo, ndibuye ndiphilise intliziyo yabatyumkileyo.

16Ngokuba andiyi kubambana naye ngonaphakade, andiyi kuhlala ndinoburhalarhume; kuba umoya ubungatyhafayo phambi kwam, nemiphefumlo endiyenzileyo mna.

17Ngenxa yobugwenxa bokubawa kwakhe ndaba noburhalarhume, ndambetha, ndazisithelisa, ndaba noburhalarhume; wahamba ephamba ngendlela yentliziyo yakhe.

18Iindlela zakhe ndizibonile: ndiya kumphilisa, ndimalathise, ndimbuyekezele intuthuzalo yena, nabakhe ke abenza isijwili.

19Umdali weziqhamo zomlomo, uYehova, uthi, Uxolo, uxolo malubekho kwabakude nakwabakufuphi, ndibaphilise.

20Ke bona abangendawo banjengolwandle oluvunjululweyo, ngokuba alunakuzola; amanzi alo avumbulula udaka nezibi.

21Alukho uxolo kwabangendawo, utsho uThixo wam.

UIsaya 58

Uzilo olubuxoki noluyinene

1Danduluka uphimisele, ungathinteleki; phakamisa izwi lakho njengesigodlo, ubaxelele abantu bam ukreqo lwabo, uyixelele indlu kaYakobi izono zayo.

2Ke bayandingxoka imini ngemini, bakunanzile ukuzazi iindlela zam. Njengohlanga olwenze ubulungisa àlwalishiya isiko loThixo walo, bacela kum imigwebo yobulungisa, bakunanzile ukusondela kuThixo.

3Bathi, Yini na ukuba sizile ukudla, ungaboni? siwuthobe umphefumlo wethu, ungazi? Yabonani, ngomhla wokuzila kwenu nifumana enikunanzileyo, nibakhandanise abasebenzi benu bonke ababulalekayo.

4Yabonani, nizilela ukubambana, niphikisane, nibethane ngenqindi lokungendawo; namhla anizileli ukuze nivakalise ilizwi lenu phezulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Into enjalo ingaba kukuzila endikunyulileyo na? Ingaba ngumhla wokuba umntu
awuthobe umphefumlo wakhe na? Ukuthokombisa intloko yakhe njengomzí andlale
ezirhwexayo nothuthu, oko ùkubiza ngokuthi kukuzila na? Ngumhla okholekileyo na
kuYehova?

6Ukuzila endikunyulileyo àsikoku na: ukucombulula iziqamangelo zokungendawo,
ukukhulula izitropu zeedyokhwe, ukundulula abavikivekileyo bekhululekile, náphule
zonke iidyokhwe?

7Àsikoku na: ukumqhekezela esonkeni sakho olambileyo, ubangenise endlwini
abaziintsizana, abatshutshiswayo? xa uthe wabona ohamba zé, umambese,
ungazifihli kwinyama yakho?

8Kuya kwandula ke ukukhanya kwakho kuthi qhiphu njengokusa, kuhlume kamsinya
ukupholiswa kwakho, buhambe phambi kwakho ubulungisa bakho, buqoshelise
emva kwakho ubuqaqawuli bukaYehova.

9Ùya kwandula ubize, asabele uYehova; uzibike, athi, Ndikho! Ukuba uthe wakususa
phakathi kwakho ukufaka idyokhwe, nokwalatha ngomnwe, nokuthetha ubudenge;

10wamvukelisa olambileyo ngento oyidlayo, wawuhluthisa umphefumlo
wocinezelweyo: kophumela ke ukukhanya kwakho emnyameni, nesithokothoko
sakho sibe njengemini enkulu.

11Úya kuhlala ekwalathisa uYehova, awuhluthise umphefumlo wakho ekubaleleni
kwelanga, omeleze amathambo akho, ube njengomyezo onyakanyiswa yimvula,
nanjengendawo ephuma amanzi, emanzi angatshiyo.

12Baya kwakha amanxuwa angunaphakade abakowenu, uvuse iziseko zezizukulwana
ngezizukulwana; bathi ukukubiza nguMvingci-wamathuba, nguMbuyisi-womendo-
wokuhlala.

13Ukuba uthe walubuyisa unyawo lwakho kwisabatha, ukuba ungenzi okunanzileyo
ngomhla wam ongcwele; wathi ukuyibiza isabatha isisonwabiso, ingcwele kaYehova;
wathi inozuko, wayizukisa ke ngokungenzi iindlela zakho, ngokungafumani
okunanzileyo, uthethe iintetho ezingení:

14ùya kwandula ukuziyolisa ngoYehova, ndikukhwelise emimangweni yomhlaba,
ndikudlise ilifa likaYakobi uyihlo; kuba umlomo kaYehova uthethile.

UIsaya 59

Isono sithintela intsebenzo kaThixo

1Yabonani, isandla sikaYehova asisifutshane, ukuba singasindisi; nendlebe yakhe
ayinzima, ukuba ingevi.

2Bubugwenxa benu obunahlukanisileyo noThixo wenu, zizono zenu ezibusithelisileyo
ubuso bakhe kuni, ukuba angevi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kuba izandla zenu zidyobhekile ligazi, neminwe yenu bubugwenxa; nomlomo wenu uthetha ubuxoki, ulwimi lwenu ludumzela ubugqwetha.

4Akukho uvakalisa ilizwi elinobulungisa, akukho umangalelana nomnye enyanisile; bakholosé ngochuku, bathethé inkohlakalo; bakhawula ububi, bazale ubutshinga.

5Baqandusela amaqanda erhamba, baluka izindlu zesigcawu. Lowo udla amaqanda abo uya kufa; elinyathelweyo liqandulelwa inyushu.

6Imisonto yabo ayiyi kuba yingubo, nemisebenzi yabo ayiyi kubagubungela. Izenzo zabo zizenzo zobutshinga; ukusebenza ngogonyamelo kusezandleni zabo.

7Iinyawo zabo zigidimela ebubini, zikhawuleze ukuya kuphalaza igazi elimsulwa; iingcinga zabo ziingcinga zobutshinga; emendweni wabo kukubhuqa nokwaphula.

8Àbayazi indlela yoxolo, okusesikweni akukho emikhondweni yabo; bazijikajikile iindlela zabo; bonke abanyathela kuzo àbalwazi uxolo.

Abantu bavuma izono zabo

9Ngenxa yoko kukude kuthi okusesikweni, nobulungisa abufikeleli kuthi. Sithembé ukukhanya, nanku ke kumnyama; sithembé ukuba kube mhlophe, sihamba esithokothokweni.

10Siya phuthaphutha njengeemfama eludongeni; siyaphuthaphutha njengabangenamehlo; sikhubeka emini enkulu ngathi kungongcwalazi; phakathi kwabaxhamla ubomi, ngathi thina singabafileyo.

11Siyavungama njengebhere sonke siphela; sidumzela sidumzele njengamavukuthu; sithemba okusesikweni, kungabikho; sithemba usindiso, lube kude kuthi.

12Kuba zininzi izikreqo zethu phambi kwakho, nezono zethu ziyangqina ngathi; kuba izikreqo zethu zinathi, nobugwenxa bethu siyabazi:

13ukukreqa kuYehova, nokumkhanyela, nokubuya umva kuThixo wethu, ukuthetha okucudisayo, okutyekisayo, ukukhawula nokuphimisela ngentliziyo amazwi obuxoki.

14Okusesikweni kubuyiswe umva, nobulungisa bumi kude; ngokuba inyaniso ikhubekile endaweni yembutho, akunakungena okuthe gca.

15Yesuka yasweleka inyaniso, nocezayo ebubini wazibhunyulisa. Wabona ke uYehova, kwakubi emehlweni akhe, ukuba kungekho okusesikweni.

Isiqalo sokubuyekeza kweNkosi

16Wabona ukuba akukho mntu, wamangaliswa ukuba kungekho mthandazeli; yaza yamsindisela ingalo yakhe, nobulungisa bakhe bona bamxhasa.

17Wanxiba ubulungisa ngokwengubo yentsimbi, wanxiba isigcina-ntloko sosindiso entloko; ukwambatha wambatha iingubo zempindezelo, wazithi wambu ngekhwele, kwanga kungengubo yokwaleka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ngokwempatho yabo leya úya kubuyekeza ngokoko, ubushushu kubabandezeli bakhe, kwaimpatho yabo kwabaziintshaba zakhe; kwiziqithi uya kubuyekeza kwaimpatho yazo.

19Baya kuloyika igama likaYehova entshonalanga, baboyike ubuqaqawuli bakhe empumalanga; kuba uya kuza njengomlambo oxineneyo, obalekiswa ngumoya kaYehova;

20eze engumkhululi weZiyon, wababuyayo elukreqweni kwaYakobi; utsho uYehova.

21Mna ke nguwo lo umnqophiso wam nabo, utsho uYehova; uMoya wam ophezu kwakho, nelizwi lam endilibeke emlonyeni wakho, aliyi kusuka emlonyeni wakho, nasemlonyeni wembewu yakho, nasemlonyeni wembewu yembewu yakho, utsho uYehova, kuthabathele kweli xesha kude kuse ephakadeni.

UIsaya 60

Ingoma yeZiyon ehlawulelweyo

1Suk' ume ukhanye, kuba kufikile ukukhanya kwakho, nobuqaqawuli bukaYehova buthe chapha kuwe.

2Ngokuba, uyabona, ubumnyama buwugubungele umhlaba, isithokothoko sizigubungele izizwe; ke kuwe uYehova uthe chapha, ubuqaqawuli bakhe bubonakele phezu kwakho.

3Ziya kuhamba iintlanga zize ekukhanyeni kwakho, ookumkani beze ebumhlotsheni bokuthi chapha kwakho.

4Phakamisa amehlo akho ngeenxa zonke, ubone; bonke bephela bayahlanganisana, baza kuwe; oonyana bakho bavela kude, neentombi zakho zibelekwe ephangweni.

5Ùya kwandula ukubona, ukhazimle, inkwantye yande intliziyo yakho; ngokuba iya kuguqulelwa kuwe intabalala yolwandle, ubutyebi beentlanga buya kuza kuwe.

6Inkitha yeenkamela iya kukugubungela, amagobo akwaMidiyan nawakwaEfa, bonke bephela baya kuza bevela kwaShebha, bezisa igolide nentlaka emhlophe, beshumayela iindaba ezilungileyo zeendumiso zikaYehova.

7Yonke imihlambi yakwaKedare ibuthelana kuwe, iinkunzi zeegusha zakwaNebhayoti ziyakulungiselela; zinyuka ngokulikholo kum esibingelelweni sam, ndihombise indlu yokuhomba kwam.

8Ngoobani na abaya, beza bebaleka njengelifu, njengamavukuthu esiza emakrobeni awo?

9Okwenene zithembele kum iziqithi, ziinqanawa zaseTarshishe phambili; zizisa oonyana bakho bevela kude, benesilivere yabo negolide yabo, kwigama likaYehova uThixo wakho, koyiNgcwele kaSirayeli, ngokokuba ekuhombisile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Oonyana bolunye uhlanga baya kuzakha iindonga zakho, ookumkani babo
bakulungiselele; kuba ndikubethe ndinoburhalarhume, kodwa ndaba nemfesane
kuwe ndinetarhu;

11ohlala evuliwe amasango akho imini nobusuku; akayi kuvalwa, ukuze bungeniswe
kuwe ubutyebi beentlanga, nookumkani bazo beqhutywa.

12Kuba uhlanga nobukumkani obungayi kukukhonza buya kutshabalala, ezo ntlanga
ziphanze ziphanzile.

13Ubuqaqawuli beLebhanon buya kuza kuwe, umsipres nompleyini nomgalagala
ndawonye, ukuze ihombe indawo yengcwele yam, ndiyizukise indawo yeenyawo
zam.

14Baya kuza kuwe besibekeka oonyana babacinezeli bakho, baqubude ezintendeni
zeenyawo zakho abakugibayo; úkukubiza bathi, Mzi kaYehova, Ziyon yoyiNgcwele
kaSirayeli.

15Esikhundleni sokuba ubushiyiwe, uthiyiwe, akwabakho bani ucanda kuwe, ndiya
kukwenza ke ingangamsha engunaphakade, imihlali yezizukulwana ngezizukulwana.

16Ùya kwanya amasi eentlanga, wanye ibele lokumkani, wazi ukuba mna Yehova
ndinguMsindisi wakho, uMkhululi wakho, iMbalasane kaYakobi.

17Esikhundleni sobhedu ndizisa igolide, esikhundleni sesinyithi ndizisa isilivere,
esikhundleni semithi ubhedu, esikhundleni samatye isinyithi; isiveleli sakho ndisènze
uxolo, abaphathi bakho ndibenze ubulungisa.

18Akuyi kuba savakala lugonyamelo ezweni lakho, imbuqo nolwaphulo emideni
yakho; iindonga zakho ukuzibiza wòthi luSindiso, namasango akho uthi yiNdumiso.

19Ilanga aliyi kuba saba sisikhanyiso kuwe emini, nenyanga ingàkukhanyiseli, ukuze
kube mhlophe kuwe; uYehova uya kuba sisikhanyiso esingunaphakade kuwe, uThixo
wakho abe sisihombo sakho.

20Aliyi kuba satshona ilanga lakho, ingafi nenyanga yakho; kuba uYehova uya kuba
sisikhanyiso esingunaphakade kuwe, zizaliseke iimini zesijwili sakho.

21Abantu bakho baya kuba ngamalungisa bonke bephela, balidle ilifa ilizwe
ngonaphakade; besisithole esityelwe ndim, isenzo sesandla sam sokuba ndihombe.

22Omncinanana uya kuba liwaka, noweyeleyo abe luhlanga olunamandla. Mna,
Yehova, ndiya kukukhawulezisa oko ngexesha lako oko.

UIsaya 61

Umsebenzi woMhlawuleli eZiyon

1UMoya weNkosi uYehova uphezu kwam; ngenxa yokuba uYehova endithambisele
ukuba ndishumayeze abalulamileyo iindaba ezilungileyo. Úndithume ukubopha

© 1975 Bible Society of South Africa.

abantliziyo zaphukileyo, ukumemeza inkululeko kwabathinjiweyo, ukuvulwa kwamehlo kwabakhonkxiweyo;

2ukumemeza umnyaka wetarhu likaYehova, nomhla wempindezelo yoThixo wethu: ukuthuthuzela bonke abanesijwili;

3ukubamisela abanesijwili baseZiyon, ukubanika isihombo sentloko esikhundleni sothuthu, ioli yemihlali esikhundleni sesijwili, ingubo yendumiso esikhundleni somoya odambayo; ukubizwa kwabo kuthiwe yimiterebhinti yobulungisa, isityalo sikaYehova sokuhomba.

4Baya kwakha amanxuwa angunaphakade, bavuse iindawo ezichithakeleyo zangaphambili, bahlaziye imizi engamanxuwa, iindawo ezichithakeleyo zezizukulwana ngezizukulwana.

5Baya kuma abasemzini, baluse imihlambi yenu, oonyana bezinye iintlanga babe ngabalimi bomhlaba wenu, nabezidiliya zenu.

6Ke nina ukubizwa kwenu, kuya kuthiwa ningababingeleli bakaYehova; kuya kuthiwa kuni, ningabalungiseleli boThixo wethu; niya kudla ubutyebi beentlanga, nindolose ninozuko lwazo.

7Esikhundleni sokudana kwenu niya kuzuza okuphindiweyo; esikhundleni sehlazo baya kumemelela ngesahlulo sabo; ngako oko baya kudla ilifa eliphindiweyo ezweni labo, baya kuba novuyo olungunaphakade.

8Kuba mna, Yehova, ndithanda okusesikweni, ndikuthiyile ukuphanga ngokugqwetha; ndibanika umvuzo womsebenzi wabo ngenyaniso; ndenza umnqophiso ongunaphakade nabo.

9Iya kwaziwa imbewu yabo ezintlangeni, baziwe nabaphume ezibilinini zabo phakathi kwezizwe; bonke abababonayo baya kubazi ukuba bayimbewu ayisikeleleyo uYehova.

10Ndinemihlali ndanemihlali ngoYehova, umphefumlo wam uya kugcoba ngoThixo wam; kuba endinxibe iingubo zosindiso, endithe wambu ngengubo yokwaleka yobulungisa, njengomyeni ononkontsho ngokombingeleli, nanjengomtshakazi evethe iimpahla zakhe.

11Kuba njengoko ilizwe livelisa izilimo zalo, njengoko umyezo untshulisa intlwayelelo yawo, yenjenjalo iNkosi uYehova ukuntshulisa ubulungisa nendumiso phambi kweentlanga zonke.

UIsaya 62

IZiyon iya kuba lukhanyiso lwehlabathi liphela

1Ngenxa yeZiyon andiyi kuthi tu, ngenxa yeYerusalem andiyi kuzola, bude buphume njengokusa ubulungisa bayo, nosindiso lwayo njengesikhuni esidangazelayo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

2zibubone iintlanga ubulungsia bakho, nookumkani bonke babubone ubuqaqawuli bakho. Ùya kubizwa ngegama elitsha, eliya kuxelwa ngumlomo kaYehova;

3ube sisithsaba sokuhomba esandleni sikaYehova, nonkontsho lobukumkani entendeni yesandla soThixo wakho.

4Akuyi kuba sathiwa kuwe unguSishiywa, nelizwe lakho akuyi kuba sathiwa kulo, Kusenkangala; ukubizwa kwakho kuya kuthiwa unguNdimnanzileyo, nelizwe lakho kuthiwe nguNokwenda; ngokuba uYehova ekunanzile, nelizwe lakho lendile.

5Njengokuba indodana izeka intombi, oonyana bakho baya kuzeka wena; njengomyeni enemihlali ngomtshakazi, uThixo wakho uya kuba nemihlali ngawe.

6Phezu kweendonga zakho, Yerusalem, ndimisé abagcini; imini yonke nobusuku bonke abayi kuze bathi quthu; nina bakhumbuzi bakaYehova, musani ukuthi cwaka.

7Musani ukuvuma ukuba athi cwaka, ade ayizinzise, ade ayenze iYerusalem ibe yindumiso ehlabathini.

8UYehova ufungé isandla sakhe sokunene, nengalo yakhe eqinileyo, wathi, Inyaniso, ingqolowa yakhe andiyi kuba sayinika iintshaba zakho ziyidle, noonyana bolunye uhlanga bangaseli iwayini yakho entsha, owazixhamla ngayo.

9Kuba ngabayihlanganisileyo abaya kuyidla, badumise uYehova; ngabayibuthâyo abaya kuyisela ezintendelezweni zengcwele yam.

10Phumani, phumani ngamasango; gecani indlela yabantu; fumbani, fumbani umendo, ncothulani amatye kuwo; nyusani ibhanile phezu kwezizwe.

11Yabona, uYehova uvakalisile wesa eziphelweni zehlabathi, wathi, Yithini kwintombi enguZiyon, Yabona, usindiso lwakho luyeza; yabona, umvuzo wakhe únawo, nento ayisebenzileyo iphambi kwakhe.

12Ukubizwa kwabo kuya kuthiwa ngabantu abangcwele, ngabakhululwa bakaYehova ngokumiselwa; ukubizwa kwakho kuthiwe, ùngofuniweyo, ungumzi ongàshiyiweyo.

UIsaya 63

Umemelelo lukaThixo oligorha

1Ngubani na lo uza evela kwaEdom, evela eBhotsera, zibomvu iingubo zakhe? lo uyingangamsha ngesambatho sakhe, enyalasa ebuninzini bamandla akhe? Ndim, mna uthetha ngokobulungisa, mna umkhulu ukusindisa.

2Yini na ukuba sibe yingqombela isambatho sakho, neengubo zakho zibe njengezoxovula esixovulelweni sewayini?

3Isifaxangelo ndìsixovule ndedwa; ezizweni akubangakho bani inam; ndazixovula ndinomsindo, ndazinyasha ndishushu; igazi lazo lachaphazela iingubo zam, ndasidyobha sonke isambatho sam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Kuba umhla wempindezelo ubusentliziyweni yam, nomnyaka wokukhulula kwam
ngokuhlawulela ufikile.

5Ndabheka, akwabakho mncedi; ndamangaliswa ukuba kungabikho mxhasi;
yandisindisela ke ingalo yam, nobushushu bam baba ngumxhasi wam.

6Ndazigqusha izizwe ndinomsindo, ndazinxilisa ndinobushushu, ndalihlisela
emhlabeni igazi lazo.

Ukubulela izibele ezidluleyo zeNkosi

7Ndiya kukhankanya iinceba zikaYehova, iindumiso zikaYehova ngokokufanele konke
ukusiphatha kukaYehova; nokulunga kwakhe okukhulu kwindlu kaSirayeli,
awayiphatha ngako ngokwemfesane yakhe, nangokobuninzi beenceba zakhe.

8Wathi okwenene, Bangabantu bam ke, oonyana abangayi kuxoka; waba ngumsindisi
kubo ke.

9Ekubandezelekeni kwabo konke wabandezeleka, nesithunywa sobuso bakhe
sabasindisa; ekubathandeni kwakhe nasekubacongeni kwakhe wayebakhulula
ngokumisela yena, wabafunqula; wabathwala yonke imihla yasephakadeni.

10Ke bona bamphikisa, bamenza buhlungu uMoya wakhe oyiNgcwele; waguquka ke,
waba lutshaba kubo, walwa nabo.

11Baza abantu bakhe bakhumbula imihla yasephakadeni kaMoses, bathi, Úphi na lo
wabanyusa elwandle, ndawonye nomalusi womhlambi wakhe? Úphi na lowo
wawubeka phakathi kwabo uMoya wobungcwele bakhe?

12wayihambisa ngasekunene kukaMoses ingalo yokuhomba kwakhe? wawacanda
amanzi phambi kwabo, ukuze azenzele igama elingunaphakade?

13wabahambisa emanzini anzongonzongo, njengehashe entlango, àbakhubeka?

14Njengeenkomo ezihla ziye entilini, uMoya kaYehova wabaphumza; wènjenjalo
ukubaqhuba abantu bakho, ukuze uzenzele igama elizukileyo.

Ukuthandaza eNkosini ukuba ibuye ize kunceda oonyana bayo

15Bheka usemazulwini, ubone usengontsini yobungcwele bakho neyesihombo sakho.
Buphi na ubukhwele bakho nobugorha bakho? Ukusika kwezibilini zakho
neemfesane zakho zibambekile kum.

16Kuba ùngubawo wena, ngokuba uAbraham engasazi, uSirayeli engasinakani; wena,
Yehova, unguBawo, uMkhululi wethu ligama lakho kwasephakadeni.

17Yini na ukuba usiyeke sidungudele, Yehova, simke ezindleleni zakho, uyiqaqadekise
intliziyo yethu, singakoyiki wena? Búya, ngenxa yabakhonzi bakho, izizwe zelifa
lakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Abantu bakho abangcwele bádla ilifa umzuzwana; ababandezeli bethu báyigqusha ingcwele yakho.

19Sisuke saba njengabo ungabalawulanga kwasephakadeni, abangabizwanga ngegama lakho.

UIsaya 64

1Yoo! Wanga ungawakrazula amazulu uhle, zizamazame iintaba ebusweni bakho,

2njengomlilo uvuthisa iintsasa, njengomlilo uxhaphazelisa amanzi; ukuze ulazise igama lakho kubabandezeli bakho, zigungqe iintlanga ebusweni bakho.

3Ekwenzeni kwakho imisebenzi eyoyikekayo, ebe singayilindele, wanga ungehla, zizamazame iintaba ebusweni bakho!

4Kususela kwasephakadeni, abantu abevanga, abamamelanga, neliso alibonanga Thixo ingenguwe, omenzelayo lowo ulindele kuye.

5Ùmkhawulele onemihlali, enze ubulungisa, ekukukhumbuleni kwabo ezindleleni zakho. Yabona, wena ubunoburhalarhume, masibe ke singaboni; kudala sikwezo zinto; sosindiswa na ke?

6Ke sisuke saba njengoyinqambi sonke siphela, yanjengengubo enomzí yonke imisebenzi yethu yobulungisa; sabuna njengamagqabi sonke siphela, ubugwenxa bethu basithabatha njengomoya.

7Akwabakho ulinqulayo igama lakho, uzixhoxhayo ukuba abambelele kuwe; ngokuba ubusithelisile ubuso bakho kuthi, wasinyibilikisa ngobugwenxa bethu.

8Kaloku ke, Yehova, unguBawo; siludongwe; unguMbumbi wethu; sìsisenzo sesandla sakho, sonke siphela.

9Musa ukuba noburhalarhume, Yehova, kuphele; ungabukhumbuli ubugwenxa ngonaphakade. Yabona, khawusibheke; singabantu bakho sonke siphela.

10Imizi yobungcwele bakho iyintlango, iZiyon iyintlango, iYerusalem ilinxuwa.

11Indlu yobungcwele bethu nokuhomba kwethu, ababekudumisela kuyo oobawo, itshile ngumlilo, neento zonke ezibe zinqweneleka kuthi zichithakele.

12Ùya kuzihamba na ngokwakho, zinjalonje ezo zinto, Yehova, uthi cwaka na, usicinezele na kuphele?

UIsaya 65

Ukohlwaywa kukaSirayeli ongumkreqi, nomvuzo wabakholwayo

1Ndangxokeka kwababengàndibuzi, ndafumaneka kwababengàndifuni. Ndathi, Ndikho, ndikho, kuhlanga obelungabizwa ngegama lam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ndolula isandla zam imini yonke kubantu abaziinjubaqa, ábahamba ngendlela engalungileyo, emva kweengcinga ezizezabo:

3abantu aba bandiqumbisàyo ngamaxesha onke besebusweni bam, bebingelela emiyezweni, beqhumisela eziteneni,

4behleli emangcwabeni, belalisa ezindaweni ezinqabileyo, besidla inyama yehagu, ezityeni zabo ingumhluzi oyimbozisa;

5besithi, Yima, ungasondeli kum; ngokuba ndingcwele kunawe. Abo bangumsi ezimpumlweni zam, umlilo otsha iimini zonke.

6Yabona, kubhaliwe phambi kwam, kwathiwa, Andiyi kuthi tu, ndingaphindezelanga; ndiya kuphindezelela esondweni lengubo yabo izenzo zenu ezigwenxa,

7nezenzo ezigwenxa zooyihlo kunye, utsho uYehova; abaqhumiseláyo ezintabeni, bandingcikiva ezindulini; ngako oko ndiya kuwulinganisela umvuzo womsebenzi wabo kuqala esondweni labo.

8Utsho uYehova ukuthi, Njengokuba incindi ifunyanwa esihlokweni, athi umntu, Musa ukusonakalisa, ngokuba kukho intsikelelo kuso; ndiya kwenjenjalo ngenxa yabakhonzi bam, ukuze ndingonakalisi into yonke.

9Ndiya kuvelisa imbewu kaYakobi, indlalifa yentaba yam kwaYuda, balidle ilifa abanyulwa bam, bahlale khona abakhonzi bam;

10iSharon yoba likriwa lempahla emfutshane, nentili yeAkore ibe yindawo yokubutha iinkomo ebantwini bam abandiquqeleyo.

11Ke nina nimshiyileyo uYehova, niyilibeleyo intaba yam engcwele, nimlungiselayo uThamsanqa isithebe, nimzaliselayo uSihlo iwayini ephithikeziweyo, ndinimisele ikrele,

12niguqele ukusikwa nonke mpela, ngenxa enokuba ndanibizayo, ànasabela; ndathetha, aneva; nesuka nenza okubi emehlweni am; nanyula endingakunanzileyo.

13Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, abakhonzi bam baya kudla, ke nina niya kulamba; yabonani, abakhonzi bam baya kusela, ke nina niya kunxanwa; yabonani, abakhonzi bam baya kuvuya, ke nina niya kudana.

14Yabonani, abakhonzi bam baya kumemelela ngokuchwayitha kwentliziyo, ke nina niya kukhala ngumvandedwa wentliziyo, nibhomboloze kukwaphuka komoya wenu.

15Niya kulishiya igama lenu libe sisishwabulo kubanyulwa bam, ikubulale iNkosi uYehova, ke ibabize ngalimbi igama abakhonzi bayo;

16ngokokude athi ozisikeleleyo elizweni, azisikelele ngoThixo wenyaniso; athi ofungayo elizweni, afunge uThixo wenyaniso; ngokuba zilityelwe iimbandezelo zangaphambili, nangokuba zisithele emehlweni am.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ngokuba, niyabona, ndidala amazulu amatsha nehlabathi elitsha; angàkhunjulwa awokuqala, angenyuki athi qatha entliziyweni.

18Hayi, yibani nemihlali, nigcobe nanini yiloo nto ndiyidalayo; ngokuba, yabonani, ndiyayidala iYerusalem ukuba igcobe, nabantu bayo ukuba babe nemihlali.

19Ndiya kugcoba ngeYerusalem, ndibe nemihlali ngabantu bam, lingabi savakala khona ilizwi lokulila nelizwi lokukhala.

20Akuyi kuba savela khona usana oluneentsuku, nexhego elingayizalisanga imihla yalo; kuba umfana uya kufa engominyaka ilikhulu ezelwe, atshabhiswe umoni engominyaka ilikhulu ezelwe.

21Baya kwakha izindlu, bazihlale; batyale izidiliya, badle iziqhamo zazo.

22Àbayi kwakha, kuhlale bambi; abayi kutyala, kudle bambi; kuba iya kuba njengemihla yomthi imihla yabantu bam, badle into esetyenzwe zizandla zabo abanyulwa bam.

23Àbayi kuzixhamla ngokulambathayo, bazálele ukhwankqiso; ngokuba bayimbewu ayisikeleleyo uYehova, nabaphume ezibilinini zabo banabo.

24Kuya kuthi bengekabizi, ndisabele; besathetha, ndibe sendivile.

25Kuya kudla ndawonye ingcuka nemvana, ingonyama idle umququ njengenkomo; inyoka, sibe luthuli isonka sayo. Aziyi kwenza bubi, zonakalise, kuyo yonke intaba yam engcwele; utsho uYehova.

UIsaya 66

1Utsho uYehova ukuthi, Amazulu ayitrone yam, ihlabathi sisihlalo seenyawo zam. Iyini na le ndlu, niya kundakhela yona? Iyini na le ndawo yokuphumla kwam?

2Zonke ezo zinto sazenza isandla sam, zabakho ke zonke ezo zinto; utsho uYehova; ndibheka kuló, kolúsizana, komoya waphukileyo, kogubhayo ngelizwi lam.

3Oxhela inkomo unjengesixabela-mntu; obingelela igusha ngumsiki wenja; onyusa umnikelo wokudla ngumnyusi wegazi lehagu; okhumbuza ngoqhumiselo lwentlaka emhlophe ngosikelela into ebubutshinga. Bezinyulele nje iindlela zabo, umphefumlo wabo wawananza amazothe abo:

4nam ke ndiya kunyula iimfeketho zokufeketha ngabo, ndibazìsele izinto ezibanxunguphalisayo; ngenxa enokuba ndabizayo, akwabakho usabelayo; ndathetha, abeva; besuka benza ububi emehlweni am, banyula nento endingayinanzileyo.

5Liveni ilizwi likaYehova, nina nigubhayo ngelizwi lakhe; uthi, Abazalwana benu abanithiyayo, abanigxotháyo kubo ngenxa yegama lam, bathi, Makazizukise uYehova, sibone imivuyo yenu; baya kudana ke bona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Phulaphulani isandi esiphuma kuwo umzi; ilizwi eliphuma etempileni; ilizwi likaYehova, ephindezela impatho yeentshaba zakhe.

7Ingekazibhijabhiji, yazala; ingekezi inimba kuyo, yathi tyibilili umntwana oyinkwenkwe.

8Ngubani na okhe weva kunjalo? Ngubani na okhe wabona izinto ezinjalo? Kuya kuzalwa ilizwe ngamininye na? Kuzalwa uhlanga ngasihlandlo sinye na? Ngokuba isathi ukuthi ukuzibhijabhija, yabazala onyana bayo iZiyon.

9Mna ndingàvelisisa na, ndingazalisi? utsho uYehova; ndingàthi mna ndizalisayo ndivingce na? utsho uThixo wakho.

10Vuyisanani neYerusalem, nigcobe ngayo, nonke bayithandayo; yenzani imihlali nibe nemihlali, nonke bayenzalayo isijwili;

11ukuze nanye nihluthe libele leentuthuzelo zayo, ukuze nishube, nixhamle ukwehlisa kozuko lwayo.

12Ngokuba uYehova utsho ukuthi, Yabonani, ndisingisa uxolo kuyo njengomlambo, nozuko lweentlanga njengesihlambo esikhukulayo, ukuze nanye; niya kubelekwa ephangweni, niteketiswe emathangéni.

13Njengomntu othuthuzelwa ngunina, ndiya kwenjenjalo mna ukunithuthuzela, nithuthuzelwe eYerusalem.

14Nobona, ibe nemihlali intliziyo yenu, ahlume amathambo enu njengohlaza, sazeke isandla sikaYehova ebakhonzini bakhe, azibhavumele iintshaba zakhe.

15Kuba, yabonani, uYehova uya kuza ngomlilo, zinjengesaqhwithi iinqwelo zakhe zokulwa, ukuze abuyekeze umsindo wakhe ngobushushu, nokukhalima kwakhe ngamalangatye omlilo.

16Kuba uYehova uya kuyigweba ngomlilo nangekrele lakhe inyama yonke, babe baninzi ababuleweyo nguYehova.

17Abo bazingcwalisayo, bazihlambululele imiyezo, bexelisa omnye ongaphakathi, badle inyama yehagu, nento enezothe, nempuku, baya kuphela kunye; utsho uYehova.

18Mna ke, ndiyazazi izenzo zabo neengcinga zabo. Kobakho ixesha lokuba zihlanganisane zonke iintlanga neelwimi, zize zibubone ubuqaqawuli bam;

19ndomisa umqondiso phakathi kwazo, ndithume abasindileyo kuzo, baye ezintlangeni ezingooTarshishe, noPuli, noLudi, abatyedi besaphetha; ezingooTubhali noYavan, eziqithini ezikude ezingazivanga iindaba zam, ezingabubonanga ubuqaqawuli bam, babuxele ubuqaqawuli bam ezintlangeni.

20Baya kubazìsa bonke abazalwana benu, bevela nabo ezintlangeni zonke, bengumnikelo kuYehova, bekhwele emahasheni, nasezinqwelweni, nasemathaleni,

© 1975 Bible Society of South Africa.

nakoondlebende, nakwiinkamelakazi, benyuke entabeni yam engcwele eYerusalem, utsho uYehova; kwanjengokuba oonyana bakaSirayeli bewuzisa umnikelo wokudla ngesitya esihlambulukileyo endlwini kaYehova.

21 Ndothabatha nakuzo ezo, zibe ngababingeleli nabaLevi; utsho uYehova.

22 Kuba njengoko amazulu amatsha nehlabathi elitsha endiza kuwenza, amiyo phambi kwam, utsho uYehova, iya kwenjenjalo ukuma imbewu yenu negama lenu;

23 kuthi kuphikelane nokuthwasa kweenyanga zonke, kuphikelane neesabatha zonke, ukuza kwenyama yonke, ukuba iqubude phambi kwam; utsho uYehova.

24 Baya kuphuma babone izidumbu zamadoda akreqileyo kum; kuba iimpethu zabo aziyi kufa, nomlilo wabo ungàcimi, babe linyumnyezi kuluntu lonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYeremiya

UYeremiya 1

Igama lencwadi

1Amazwi kaYeremiya unyana kaHilekiya, wakubabingeleli baseAnatoti ezweni
lakwaBhenjamin:

2ekwafika kuye ilizwi likaYehova ngemihla kaYosiya unyana ka-Amon, ukumkani
wakwaYuda, ngomnyaka weshumi elinesithathu wobukumkani bakhe;

3nangemihla kaYoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, kwada kwaba
sekupheleni komnyaka weshumi elinamnye kaZedekiya unyana kaYosiya, ukumkani
wakwaYuda, kwada kwaba sekufudusweni kweYerusalem ngenyanga yesihlanu.

Ubizo lomprofeti

4Kwafika ke ilizwi likaYehova kum, lisithi,

5Ndingekakubumbi esizalweni, bendikwazi; ungekaphumi embilinini,
ndakungcwalisa, ndakumisa waba ngumprofeti weentlanga.

6Ndathi mna, Kwowu, Nkosi Yehova, yabona, andikwazi ukuthetha, ngokuba
ndingumntwana.

7Wathi uYehova kum, Musa ukuthi, Ndingumntwana: ke ùya kuya kubo bonke
endikuthuma kubo; konke endikuwisela umthetho ngako, uze ukuthethe.

8Uze ungaboyiki, ngokuba ndinawe ukuba ndikuhlangule; utsho uYehova.

9Wasolula uYehova isandla sakhe, wachukumisa umlomo wam; wathi ke uYehova
kum, Yabona, ndibeke amazwi am emlonyeni wakho.

10Khangela, ndikwenza namhla umveleli weentlanga nezikumkani, ukuba unyothule,
udilize, utshabalalise, ugungxule; ukuba wakhe, utyale.

Imibono emibini yomgwebo

11Kwafika ilizwi likaYehova kum lisithi, Yintoni na le uyibonayo, Yeremiya? Ndathi,
Ndibona intonga yomthi womamangile.

12Wathi uYehova kum, Ùboné walungisa; ngokuba ndiya kuliphaphela ilizwi lam
ukuba ndilenze.

13Kwafika ilizwi likaYehova kum ngokwesibini, lisithi, Yintoni na le uyibonayo?
Ndathi, Ndibona imbiza ebaselweyo, ubuso bayo bubheke neno, isentla.

14Wathi ke uYehova kum, Entla kuya kuphuma ububi, bube phezu kwabemi bonke
belizwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ngokuba, yabona, ndiya kubiza yonke imizalwane yezikumkani zasentla, utsho
uYehova; ziya kuza ke, zimise iseso itrone yaso ekungeneni kwamasango eYerusalem,
nasezindongeni zayo zonke ngeenxa zonke, nasemizini yonke yakwaYuda.

16Ndiya kuthetha elokubagweba kwam ngenxa yobubi babo bonke, kuba
bendishiyile, baqhumisela thixweni bambi, baqubuda emisebenzini yezandla zabo.

17Ke wena, bhinqa amanqe akho, usuk' ume, uthethe kubo konke endikuwisela
umthetho ngako. Musa ukuqhiphuka umbilini ngabo, hleze mna ndikuqhiphule
umbilini ngabo.

18Uyabona ke, mna ndikwenza namhla umzi onqatyisiweyo, intsika ýesinyithi,
udonga lobhedu kulo lonke ilizwe, lokumkani bakwaYuda, nakubathetheli balo,
kubabingeleli balo, nakubantu belizwe.

19Baya kulwa nawe, bangabi nakukweyisa, ngokuba ndinawe ukuba ndikuhlangule;
utsho uYehova.

UYeremiya 2

Ukungathembeki kukaSirayeli kuYehova

1Kwafika ke ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Yiya, umemeze ezindlebeni zeYerusalem, uthi, Utsho uYehova ukuthi,
Ndikukhumbulele inceba yobutsha bakho, uthando lobutshakazi bakho,
ukundilandela kwakho entlango, ezweni elingàhlwayelwayo.

3Úbengcwele uSirayeli kuYehova, intlahlela yakhe yongeniselo; bonke abamdlayo
bozeka ityala, bofikelwa bububi; utsho uYehova.

4Liveni ilizwi likaYehova, ndlu kaYakobi, nonke mizalwane yendlu kaSirayeli.

5Utsho uYehova ukuthi, Báfumana bubi buní na kum ooyihlo, le nto bákhwelela kude
kum, balandela izinto ezingento, baba yinto engeyakonto?

6Àbatsho ukuthi, Uphi na uYehova owasinyusayo, wasikhupha ezweni laseYiputa,
owasihambisa entlango, ezweni eliyinkqantosi, lezihogo, ezweni elingumqwebedu,
elethunzi lokufa, ezweni elingacandi mntu, elingahlali mntu?

7Ndaningenisa ezweni elimasimi achumayo, ukuba nidle iziqhamo zalo, nezinto
ezilungileyo zalo; ukanti nakùngena nalenza inqambi ilizwe lam, ilifa lam nalenza
langamasikizi.

8Ababingeleli àbatshongo ukuthi, Uphi na uYehova? Abaphathi bomyalelo
abandazanga, nabalusi bakreqa kum; nabaprofeti baprofeta ngoBhahali, balandela
abangancedi nto.

9Ngako oko ndisaya kubambana nani, utsho uYehova, ndibambane noonyana
boonyana benu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuba welani, niye eziqithini zamaKiti, nibone; nithùme nakwaKedare, nigqale kunene, nikhangele ukuba zikhe zakho na izinto ezinjalo;

11ukuba uhlanga lwakhe lwananisa na ngoothixo balo, bengèthixo ke bona? Ke bona abantu bam banane ngozuko lwabo into engancediyo.

12Mangaliswani, mazulu, yile nto, nibe namanwele, niqothole kunene; utsho uYehova.

13Ngokuba benzé ububi obubini abantu bam: bandishiyile mna, thende lamanzi aphilileyo; bazimbele amaqula, amaqula aqhekekileyo, angagcini manzi.

14USirayeli ulikhoboka na? Ulelizalelwe ekhaya na? Kúngathubani na, ukuba abe yinto ephangiweyo?

15Zimbharhúlele iingonyama ezintsha, zalikhupha izwi lazo, zalenza laba senkangala ilizwe lakhe, imizi yakhe yafakwa isikhuni, ayaba nabemi.

16Kananjalo oonyana baseNofu nabaseTapanesi bádlela elukakayini lwakho.

17Oko asikukwenza kwakho na, ngokushiya kwakho uYehova uThixo wakho, ngexesha abekuhambisa ngendlela?

18Okanye yintoni na enawe nendlela yaseYiputa, ukuba usele amanzi oMnayile? Yintoni na enawe nendlela yaseAsiriya, ukuba usele amanzi oMlambo lowo?

19Buya kukuthethisa ububi bakho, nokuphamba kwakho kuya kukohlwaya; yazi ke ubone, ukuba kubi, kukrakra, ukumshiya uYehova uThixo wakho, nokuthi ungankwantyi phambi kwam; itsho iNkosi, uYehova wemikhosi.

20Ngokuba kususela kwakude, ùyaphule idyokhwe yakho, waziqhawula izitropu zakho; wathi, Andiyi kukukhonza; kuba ezindulini zonke ezinde, naphantsi kwemithi yonke eluhlaza, wazolula ngokwehenyukazi.

21Mna ke ndakutyala ungumdiliya wohlobo, wonke uphela uyimbewu yenyaniso; ùtheni na ke ukujika, ube ngamasebe angcakacileyo omdiliya ongeguwo kum?

22Ùngafanelana uzihlikihla ngesoda, wathabatha isepha eninzi: ubugwenxa bakho buhleli budyobhekile phambi kwam; itsho iNkosi uYehova.

23Ùngáthini na ukuthi, Andizenzanga inqambi, andibalandelanga ooBhahali? Yibone indlela yakho emfuleni lowo, ukwazi okwenzileyo, wena mazi yenkamela enamendu, etshobela ngapha nangapha;

24mazi ye-esile lasendle, eqhele intlango, ethi ngokunqwena kwayo isezele umoya; ukungxamela kwayo inkunzi, ngubani na ongakubuyisayo? Bonke abayifunayo abazidinisi; boyifumana ngenyanga yayo.

25Luthintele unyawo lwakho lungabi zé, nomqala wakho unganxanwa. Ùthi ke wena, Kuncamekile; hayi, kuba ndibathandile abasemzini, ndiya kubalandela ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[26]Njengokudana kwesela lakufunyanwa, kunjalo ukudana kwendlu kaSirayeli: bòna ngokwabo, nookumkani babo, nabathetheli babo, nababingeleli babo, nabaprofeti babo;

[27]besithi emthini, Ùngubawo; nasetyeni, Ùndizele; ngokuba bandinikela ikhosi, àbandinikela buso; ngexesha ke lobubi babo baya kuthi, Suk' ume usisindise.

[28]Baphi na kaloku oothixo bakho ozenzeleyo? Mabasuke beme, ukuba boba nokukusindisa na ngexesha lobubi bakho; kuba oothixo bakho bábengangenâni lemizi yakho, Yuda.

[29]Yini na ukuba nibambane nam? Nonke niphela nikreqile kum; utsho uYehova.

[30]Ndifumane ndababetha oonyana benu; intethiso abayamkelanga; ikrele lenu lidlé abaprofeti benu njengengonyama edlavulayo.

[31]Sizukulwanandini, likhangeleni ilizwi likaYehova. Bendiyintlango na kuSirayeli? Bendililizwe lesithokothoko na? Kúngathuba lini na ukuba bathi abantu bam, Siyaphaphatheka, àsizi kuwe?

[32]Iyazilibala na intombi izivatho zayo, umtshakazi uyazilibala na iinqwemesha zakhe? Ke bona abantu bam bandilibele imihla engenakubalwa.

[33]Ùyakwazi ukuyilungisa indlela yakho ngokufuna uthando; ngako oko iindlela zakho uziqhelisa izinto ezimbi.

[34]Kwanasemasondweni akho kufumaneka igazi lemiphefumlo yamahlwempu amsulwa; akuwafumananga egqobhoza zindlu: bekungenxa yoku konke.

[35]Ukanti ùthi ke, Ndimsulwa, ewe, umsindo wakhe ubuyile kum. Yabona, ndiya kumangalelana nawe ngenxa yokuba usithi, Andonanga.

[36]Yini na ukuba uzulazule kangaka, uyijike indlela yakho? Uya kudana ngenxa yeYiputa, njengokuba udanile ngenxa yeAsiriya.

[37]Nakuyo leyo uya kuphuma, zísentloko izandla zakho; ngokuba uYehova uya kubacekisa okholose ngabo, ungabi nampumelelo ngabo.

UYeremiya 3

Okuya kuhlela izizwe ezilishumi; isilumkiso kuYuda

[1]Kuthiwa, Ukuba ithe indoda yamgxotha umkayo, wemka kuyo, waba ngowandoda yimbi, inokumbuyela na? Alingebi lihlanjelwe na elo lizwe? Wena ke uhenyuzile nezithandane ezininzi; ùnokubuyela na ke kum? utsho uYehova.

[2]Phosa amehlo akho eluqayini ubone; kuphi na apho ungalalwanga khona? Wabahlalela ngasezindleleni, njengomArabhi entlango; walihlambela ilizwe ngokuhenyuza kwakho, nangezinto zakho ezimbi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Yathintelwa ke imikhumezelo, ayeza nemvula evuthisayo; ùsuke wanebunzi
lehenyukazi, akwavuma ukuba neentloni.

4Akuyi kuthi na ngoku undibize, uthi, Bawo, ùlikholwane lobutsha bam?

5Úya kuba nenqala ngonaphakade na, ahlale ewugcinile na umsindo? Yabona,
uthetha njalonje, wènza ububi, ubufezile.

6Wathi uYehova kum ngemihla yokumkani uYosiya, Ùkubonile na elikwenzileyo
iphambakazi uSirayeli? Belihamba phezu kweentaba zonke ezinde, naphantsi
kwemithi yonke eluhlaza, lihenyuza khona.

7Ndathi, emveni kokuba likwenzile oko konke, Liya kubuyela kum. Lasuka alabuya;
lakúbona oko ingininginikazi, udade wabo uYuda.

8Ndabona ukuba, noko iphambakazi uSirayeli likrexezileyo, ndaligxotha, ndalinka
incwadi yokwahlukana nalo, lisuké noko ingininginikazi uYuda, udade walo àloyika;
lasuka ke laya kuhenyuza nalo.

9Kwathi, ngenxa yesandi sokuhenyuza kwalo, lahlanjelwa ilizwe, lakrexeza namatye
nemithi.

10Nakuko konke oko, àlabuyela kum ingininginikazi, udade walo uYuda, ngentliziyo
yonke; kwaba ngokuxoka; utsho uYehova.

11Wathi uYehova kum, Iphambakazi uSirayeli lizigwebele ngokwalo, ngaphezu
kwengininginikazi uYuda.

12Yiya umemeze la mazwi entla, uthi, Buya, phambakazi Sirayeli, utsho uYehova;
andiyi kubusanganisa ubuso bam kuni, ngokuba ndinenceba, utsho uYehova; andiyi
kuba nanqala ngonaphakade.

13Búvume kodwa ubugwenxa bakho; ngokuba ukreqile kuYehova uThixo wakho,
waziphangalalisa iindlela zakho kwabasemzini, ngaphantsi kwayo yonke imithi
eluhlaza; ke ilizwi lam analiphulaphula; utsho uYehova.

14Buyani, nyana bangamaphamba, utsho uYehova; ngokuba ndinizekile mna. Ndiya
kunithabatha abe mnye emzini, babe babini kwimizalwane, ndinizise eZiyon;

15ndininike abalusi ábangantliziyo yam, banaluse ngokwazi nangengqiqo.

16Kothi, xa nithe nanda naqhama ezweni ngaloo mihla, utsho uYehova, bangàbi sathi,
Ityeya yomnqophiso kaYehova; ingàthi qatha entliziyweni; ingàkhunjulwa ngabo,
ingàfuneki, ingàbuye yenziwe.

17Ngelo xesha iYerusalem kuya kuthiwa yitrone kaYehova, zixhontelane khona zonke
iintlanga ngenxa yegama likaYehova eliseYerusalem; zingabi salandela ubungqola
bentliziyo yazo embi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ngaloo mihla iya kuhamba indlu yakwaYuda kunye nendlu yakwaSirayeli, bavele kunye ezweni lasentla, beze ezweni endabanikayo ooyise laba lilifa.

Inceba kaYehova

19Ndathi mna, Azi ndingáthini na ukukumisa phakathi koonyana, ndikunike ilizwe elinqwenelekayo, ilifa eliligugu lawo amagugu eentlanga? Ndathi, Niya kundibiza ngokuthi, Bawo; ningabuyi ekundilandeleni.

20Inyaniso, njengoko umfazi atshinizayo kuwabo, nitshinizile ngokunjalo kum, nina ndlu kaSirayeli; utsho uYehova.

21Livakele izwi eluqayini, isililo sokutarhuzisa soonyana bakaSirayeli; ngokuba bebezigwenxile iindlela zabo, bamlibala uYehova uThixo wabo.

22Buyani, nyana bangamaphamba; ndokuphilisa ukuphamba kwenu. Uyabona, siza kuwe; ngokuba wena, Yehova, unguThixo wethu.

23Inyaniso, yaba bubuxoki ingxokozelo yasezindulini, yasezintabeni; inyaniso, lukuYehova uThixo wethu usindiso lukaSirayeli.

24Isikizi liyidlile indyebo yoobawo kwasebuncinaneni bethu: impahla yabo emfutshane neenkomo zabo, oonyana babo neentombi zabo.

25Masilale esikizini lethu, lisigubungele ihlazo lethu; ngokuba kuYehova uThixo wethu sonile, thina noobawo, kwasebuncinaneni bethu, unanamhla; àsaliphulaphula ilizwi likaYehova uThixo wethu.

UYeremiya 4

1Ukuba ùthe wabuya, Sirayeli, utsho uYehova, wabuyela kum; wawasusa amazothe akho phambi kwam, àkwaphalaphala;

2wafunga wathi, Ehleli nje uYehova, ngokwenyaniso, ngokusesikweni, nangobulungisa; zózisikelela ngaye iintlanga, ziqhayise ngaye.

3Ngokuba uthi uYehova kumadoda akwaYuda nakwiYerusalem, Zikhubeleleni intsinde, ningahlwayeli emithaneni enameva.

4Zaluseleni kuYehova, nisuse ukungaluki kwentliziyo yenu, madoda akwaYuda, bemi baseYerusalem; hleze buphume ubushushu bam njengomlilo, buvuthe kungabikho ucimayo, ngenxa yobubi beentlondi zenu.

Okuya kuhlela abangaguqukiyo

5Xelani kwaYuda, nivakalise eYerusalem, nithi, Vuthelani isigodlo elizweni; dandulukani, nithi, Hlanganisanani, singene emizini enqatyisiweyo.

6Phakamisani ibhanile ngaseZiyon, sabani, ningemi; kuba entla ndizisa ububi, nembubhiso enkulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Kunyuka ingonyama iphuma entshinyeleni yayo yehlathi, kunduluka umonakalisi weentlanga; úphuma endaweni yakhe, ukuze aliphanzise ilizwe lakho, imizi yakho yenzìwe imiwewe, ingabi nabemi.

8Ngenxa yoko bhinqani ezirhwexayo, nimbambazele, nibhomboloze; ngokuba ukuvutha komsindo kaYehova akubuyanga kuthi.

9Kothi ke ngaloo mini, utsho uYehova, iphele intliziyo yokumkani nentliziyo yabathetheli; bamangaliswe ababingeleli, bangàkhulumi abaprofeti.

10Ndathi ke, Kwowu, Nkosi Yehova, inyaniso, ùbalukuhlile kakhulu aba bantu neYerusalem, usithi, Niya kuba noxolo; libe ikrele lide lafika emphefumlweni.

11Ngelo xesha kuya kuthiwa kwaba bantu nakwiYerusalem, Umoya olulophu lwaseluqayini entlango uza ngendlela yentombi yabantu bam, ungazeli kwela, ungazeli kucoca;

12umoya onamandla ngaphezu kwezo nto uzela mna; ngoku nam ndiya kuthetha nabo imigwebo.

13Yabona, únyuka njengamafu, zinjengesaqhwithi iinqwelo zokulwa zawo; anamendu kunamaxhalanga amahashe awo. Yeha ke thina, ngokuba sibhuqiwe!

14Yihlambulule ububi intliziyo yakho, Yerusalem, ukuze usindiswe. Kunini na zilalisile phakathi kwakho iingcinga zakho zobutshinga?

15Ngokuba ilizwi lixelile, liphuma kwaDan, livakalisa ububi ezintabeni zakwaEfrayim:

16khankanyani ezintlangeni; yabonani, vakalisani eYerusalem, nithi, Abangqingi beza bevela ezweni elikude, belikhuphela ilizwi labo phezu kwemizi yakwaYuda.

17Njengabalindi bamasimi bayichasa ngeenxa zonke; ngokuba ibineenkani kum, utsho uYehova.

18Iindlela zakho neentlondi zakho zakwenzela oko. Zizinto zakho ezimbi ezo, inene zikrakra, inene zifike entliziyweni yakho.

Umbono wesiphanziso

19Izibilini zam, izibilini zam! Ndiyazibhijabhija iingontsi zentliziyo yam! Iyaxokozela intliziyo yam, andinakuthi tu! Kuba ùsivile isandi sesigodlo, mphefumlo wam, ukuhlatywa komkhosi wemfazwe.

20Kumenyezwa intshabalalo kantshabalalo, ngokuba libhuqiwe lonke ilizwe; zibhuqiwe ngesiquphe iintente zam; ngephanyazo, amalengalenga am.

21Kunini na ndibona ibhanile, ndisiva isandi sesigodlo?

22Kuba bamathile abantu bam, mna àbandazi; ngoonyana abazizidenge, àbanangqondo bona; banobulumko bokwenza ububi, ukulungisa àbakwazi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Ndakhangela emhlabeni, nanko kusenyanyeni, lilubala; nasezulwini, akwabakho kukhanya kulo.

24Ndakhangela ezintabeni, nanzo zinyikima, neenduli zonke zididizela.

25Ndakhangela, nanko ke kungekho mntu, neentaka zonke zezulu zibalekile.

26Ndakhangela, nantso iKarmele iyintlango, yonke imizi yayo idilikile phambi koYehova, phambi kokuvutha komsindo wakhe.

27Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Kuya kuba senkangala kulo lonke ilizwe; kodwa ndingàligqibeli kuphele.

28Ngenxa yoko ihlabathi liya kuba nesijwili, libe nezimnyama zokuzila izulu ngaphezulu; ngenxa enokuba ndithethile, ndinkqangiyele, andisayi kuzohlwaya, andiyi kubuya umva kuloo nto.

29Ngesandi sabamahashe nabezaphetha, iyabaleka yonke imizi; bangena ezintshinyeleni zehlathi, benyuka emixawukeni; yonke imizi ishiyiwe, akuhlali mntu kuyo.

30Ke wena ubhuqiweyo, uya kuthini na? Nokuba uthe wambatha ezibomvu, nokuba uthe wavatha izivatho zegolide, nokuba uthe wawazoba amehlo akho ngestibhiya, ufumane wahomba; ziya kukucekisa izithandane, zifuna umphefumlo wakho,

31Ngokuba ndivé ilizwi elinjengelomfazi onenimba, imbandezelo enjengeyozibulayo, izwi lentombi enguZiyon; inesingqala, izolula izandla zayo, isithi, Athi ke mna! ngokuba umphefumlo wam utyhafile ngababulali.

UYeremiya 5

Izono zeYerusalem nokuya kuyihlela

1Zityhutyheni izitrato zaseYerusalem; khanikhangele, nazi, nifune ezindaweni zayo zembutho, ukuba nomfumana na umntu, ukuba ukho na umntu owenza ngokusesikweni, ofuna ukunyanisa: ndoyixolela.

2Nokuba bathi, Ehleli nje uYehova, boba bafunga bexoka.

3Yehova, amehlo akho àkajonge ekunyaniseni, yini na? Ùyababetha, abevi ntlungu; ùyabagqibela kuphele, abavumi ukuthethiswa; babenza ngwanyalala ubuso babo ngaphezu kwengxondorha, àbavumi ukubuya.

4Ndathi mna, Zizisweli zodwa zona, zimathile; ngokuba abayazi indlela kaYehova, nesiko loThixo wabo.

5Ndokha ndiye kwabakhulu, ndithethe nabo; ngokuba bayayazi bona indlela kaYehova, isiko loThixo wabo; ke bona bayaphúle kunye idyokhwe, baziqhawula izitropu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ngenxa yoko iyababulala ingonyama yasehlathini, iyabadlavula ingcuka yasezinkqantosini, ingwe ilalela imizi yabo; bonke abo baphuma kuyo bayaqwengwa; ngokuba luninzi ukreqo lwabo, kuninzi ukuphamba kwabo.

7Ndothini na ukukuxolela? Oonyana bakho bandishiyile, bafunga abangethixo; ndabafungisa, ke bakrexeza, bathi ngunga endlwini yamahenyukazi.

8Bayazíbela njengeenkunzi zamahashe ezityetyisiweyo, elowo ukhonyela umfazi wommelwane wakhe.

9Mandingàveleli na ke ngenxa yezo zinto? utsho uYehova; ungàphindezeli na ke umphefumlo wam, kuhlanga olunje?

10Nyukani ezindongeni zayo, nonakalise; kodwa ningagqibeli kuphele; susani amasebe ayo, ngokuba engengakaYehova.

11Ngokuba itshinizile kakhulu kum indlu kaSirayeli nendlu kaYuda, utsho uYehova.

12Bayamkhanyela uYehova; bathi, Asinguye, àbuyi kusifikela ububi, asiyi kubona krele nandlala;

13abaprofeti baya kuba ngumoya; othethayo akakho kubo; makwenjiwe njalo kubo.

14Ngako oko utsho uYehova, uThixo wemikhosi, ukuthi, Ngenxa enokuba nilithetha elo lizwi, yabona, ndiwenza umlilo amazwi am emlonyeni wakho, naba bantu babe ziinkuni, ubadle.

15Yabona, ndifikisa phezu kwenu, ndlu kaSirayeli, uhlanga lwakude, utsho uYehova; luhlanga oluqinileyo, luhlanga oludala, luhlanga oluntetho ungayaziyo, ongayivayo into oluyithethayo.

16Umphongolo walo unjengengcwaba elivulekileyo; bonke bephela bangamagorha.

17Luya kukudla ukuvuna kwakho nesonka sakho; luya kubadla oonyana bakho neentombi zakho; luya kuyidla impahla yakho emfutshane neenkomo zakho; luya kuwudla umdiliya wakho nomkhiwane wakho; luya kuyiviva ngekrele imizi yakho enqatyisiweyo, okholose ngayo.

18Noko ke ngaloo mihla, utsho uYehova, andiyi kunigqibela kuphele.

19Kuthi, xa nithi, UYehova uThixo wethu uzenzeleni na ezo zinto zonke kuthi? ùze uthi kubo, Njengokuba nindishiyile mna, nakhonza oothixo bolunye uhlanga ezweni lenu, kwangokunjalo niya kukhonza abasemzini ezweni elingelenu.

20Kuxeleni oku endlwini kaYakobi, nikuvakalise kwaYuda, nithi,

21Khanive oku, bantu bazizidenge, bangenantliziyo; banamehlo, bengaboni; baneendlebe, bengeva.

22Mna anindoyiki na? utsho uYehova; anizibhijabhiji na ebusweni bam, mna ndiyibekileyo intlabathi yangumda wolwandle, yangummiselo ongunaphakade

© 1975 Bible Society of South Africa.

olungàwugqithiyo? Ayalatyuza amáza alo, angabi nakwenza nto; agqume, angawugqithi.

23Ke aba bantu banentliziyo eyinjubaqa, eneenkani; bakreqile bemka.

24Àbatsho nokuthi ezintliziyweni zabo, Makhe soyike uYehova uThixo wethu, osinika imvula ethambisayo nevuthisayo ngexesha elililo; osigcinela iiveki ezimisiweyo zasekwindla.

25Izenzo zenu ezigwenxa zizisunduzile ezo zinto, izono zenu zikuthintele kuni okulungileyo.

26Ngokuba kufunyanwa abangendawo phakathi kwabantu bam; bayalalela ngokuncathama kwabathiyeli, benza isihogo, babambisa abantu.

27Njengendlwane izele ziintaka, zinjalo izindlu zabo ukuzala yinkohliso; ngenxa yoko bakhulile baba zizityebi.

28Batyebile, bagudile; kananjalo bagqithisele ngezinto ezimbi; ityala àbalilungisa, ityala leenkedama, ukuze zibe nempumelelo; àbaligwebi ityala lamahlwempu.

29Ndingàveleli na ke ngenxa yezo nto? utsho uYehova; ùngaphindezeli na umphefumlo wam kuhlanga olunje?

30Kwenziwa into emangalisayo, ebanga amanwele ezweni:

31àbaprofeti baprofeta ngobuxoki, nababingeleli banobukhosi ngezandla zabo; abantu bam ke bathanda ukuba kube njalo. Niya kuthini na ke ekupheleni kwako oko?

UYeremiya 6

Ungqingo lweYerusalem

1Sabani, nyana bakaBhenjamin, niphume phakathi kweYerusalem, naseTekowa, nivuthele isigodlo, niphakamise into iphakame phezu kweBhetehakerem; ngokuba ububi buyalunguza, buvela entla, nembubhiso enkulu.

2Umntwana omhle, umteketiswa, intombi enguZiyon, ndiyayitshabalalisa.

3Beza kuyo abalusi nemihlambi yabo, bagxumeka kuyo iintente zabo ngeenxa zonke; badla elowo endaweni yakhe.

4Yingcwaliseleni imfazwe; sukani nime, sinyuke emini enkulu. Athi ke thina! Imini iza kusangana, ngokuba amathunzi okuhlwa ayoluka.

5Sukani nime, sinyuke ebusuku, sizitshabalalise iingxande zayo ezinde.

6Ngokuba utshilo uYehova wemikhosi ukuthi, Yigawuleni imithi yayo, niyifumbele iYerusalem udonga lokungqinga; wona mzi wokuvelelwa, wonke uphela, unocudiso phakathi kwawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Njengoko iqula liwampompozisayo amanzi alo, yénjenjalo ukumpompozisa izinto zayo ezimbi. Ukugonyamela nokubhuqa kuvakala kuyo; kuhleli kukho phambi kobuso bam isifo nesibetho.

8Yáleka, Yerusalem, hleze umphefumlo wam uziqhawule kuwe; hleze ndikwenze kube senkangala kuwe, ube lilizwe elingamiweyo.

9Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Baya kuwabhikica bawabhikice amasalela amaSirayeli, njengomdiliya; sibuyisele isandla sakho emagatyeni, njengomvuni weediliya.

10Ndiya kuthetha koobani na, ndiqononondise, beve? Yabona, àyaluswanga indlebe yabo, àbanako ke ukubaza indlebe. Yabona, ilizwi likaYehova libe liyingcikivo kubo, àbalinanzile.

11Ndizele bubushushu bukaYehova; ndidiniwe kubububamba. Bùphalazéle phezu komntwana esitratweni, naphezu kwembutho yamadodana kunye; ngokuba indoda kwanomfazi baya kubanjwa, amadoda amakhulu kwanabazele yimihla.

12Ziya kugqithela kubambi izindlu zabo, amasimi nabafazi kunye; ngokuba isandla sam ndisolula phezu kwabemi belizwe; utsho uYehova.

13Kuthabathela kwabancinane kwesa kwabakhulu, bonke bephela babawa bebawile; kuthabathela kumprofeti kwesa kumbingeleli, bonke bephela benza ngobuxoki.

14Bákuphilisa kalula ukwaphuka kwentombi yabantu bam, besithi, Luxolo, luxolo; kungekho luxolo.

15Baya kudaniswa, ngokuba benzé amasikizi; noko ke àbadani nokudana, àbakwazi ukuba neentloni; ngako oko baya kuwa phakathi kwabawàyo; ngexesha lokubavelela kwam baya kukhubeka; utsho uYehova.

Ukuphulaphula kulungile ngaphezu kombingelelo

16Utsho uYehova ukuthi, Yimani ezindleleni, nikhangele, nibuze umendo ongunaphakade, ukuba yiyiphi na indlela yokulungileyo, nihambe ngayo; noyifumanela ukuphumla imiphefumlo yenu; báthi ke bona, Asiyi kuhamba ngayo.

17Ndamisa phezu kwenu ababoniseli, ndisithi, Libazeleni indlebe ilizwi lesigodlo; báthi ke bona, Asiyi kulibazela ndlebe.

18Ngako oko yivani, zintlanga; wazi, wena bandla, okubahlelayo.

19Yiva, hlabathi; yabona, aba bantu ndibazisela ububi, isiqhamo seengcinga zabo; ngokuba amazwi am abawabazelanga ndlebe, nomyalelo wam bawucekisile.

20Yeyani na ke le ntlaka imhlophe yakwaShebha iza kum, nekalamo evumba limnandi yasezweni elikude? Amadini enu anyukayo akakholekile kum, nemibingelelo yenu ayimnandi kum.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ngako oko utshilo uYehova ukuthi, Yabona, ndibabekela izikhubekiso aba bantu,
bakhubèke kuzo ooyise noonyana, ummelwane kunye nowabo, batshabalale.

22Utsho uYehova ukuthi, Yabona, kuza abantu bevela ezweni lasentla, uhlanga
olukhulu, luxhoxhwa, luvele esinqeni somhlaba.

23Baqubulé isaphetha nenkcula; bazizijorha, abanamfesane; ilizwi labo ligquma
njengolwandle; bakhwela emahasheni, bexhobe njengendoda yokulwa, ukukufikela
wena, ntombi enguZiyon.

24Siluvile udaba lwaloo nto; ziwile izandla zethu; imbandezelo isibambile,
ukuzibhijabhija njengozalayo.

25Musani ukuya emasimini, ningahambi ngendlela; ngokuba utshaba lunekrele,
kunxunguphala ngeenxa zonke.

26Ntombi yabantu bam, bhinqa ezirhwexayo, uzigalele ngothuthu; menzele isijwili
ozelwe wamnye, ukumbambazela okukrakra; ngokuba úya kusizela ngesiquphe
umbhuqi.

27Ndikwenzé umcikidi phakathi kwabantu bam njengenqaba, ukuze uyazi uyicikide
indlela yabo.

28Bonke bephela baziinjubaqa zazo iinjubaqa, behamba behleba; balubhedu
nesinyithi, bonke bephela bayonakalisa.

29Itshé ngumlilo imfutho, isekupheleni ilothe; bafumana benyibilikisa banyibilikise;
abenzi bobubi abahlengeki.

30Bayisilivere ecekisiweyo, ukubizwa kwabo, ngokuba uYehova ebacekisile.

UYeremiya 7

Intshumayelo esangweni letempile

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya lalisithi,

2Yima esangweni lendlu kaYehova, umemeze khona eli lizwi, uthi, Liveni ilizwi
likaYehova, nonke maYuda angénayo ngala masango, ukuba nimnqule uYehova.

3Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Zilungiseni iindlela zenu
nezenzo zenu, ukuze ndinibeke kule ndawo.

4Musani ukukholosa ngamazwi obuxoki, okuthi, Yitempile kaYehova, yitempile
kaYehova, yitempile kaYehova yona leyo.

5Okanye ukuba nithe nazilungisa nizilungisa iindlela zenu nezenzo zenu; ukuba nithe
nakwenza nikwenza okusesikweni phakathi komntu nommelwane wakhe;

6ànamcudisa owasemzini, nenkedama, nomhlolokazi, ànaliphalaza igazi elimsulwa
kule ndawo, ànalandela thixo bambi, ukuba kube kubi kuni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

7ndonibeka kule ndawo, ezweni endalinika ooyihlo, kwasephakadeni kuse ephakadeni.

8Yabonani, nikholosa ngamazwi obuxoki angancediyo.

9Yini? Niyeba, nincinithe, nikrexeze, nifunge ngobuxoki, niqhumisele kuBhahali, nilandele thixo bambi eningabaziyo;

10nize ke nime phambi kwam kule ndlu, ibizwa ngegama lam, nithi, Sihlangulwe; ukuze nenze la masikizi onke?

11Yaba ngumqolomba wezihange na emehlweni enu le ndlu ibizwa ngegama lam? Yabonani, mna lo ndibonile; utsho uYehova.

12Ngokuba khaniye endaweni yam ebiseShilo, apho ndalibeka khona igama lam ekuqaleni, nibone endakwenzayo kuyo, ngenxa yezinto ezimbi zabantu bam amaSirayeli.

13Kaloku ke, ngokokuba nizenzile ezi zenzo zonke, utsho uYehova, ndathetha kuni, ndithetha kwakusa ningeva, ndinibiza ningasabeli:

14Ndokwenza kule ndlu, ibizwa ngegama lam, nikholosa ngayo, nakule ndawo ndaninika yona nina nooyihlo, njengoko ndakwenzayo kwiShilo.

15Ndiya kunigxotha nisuke ebusweni bam, njengoko ndabagxothayo abazalwana benu bonke, imbewu yonke yakwaEfrayim.

Ububi bonqulo-zithixo

16Wena ke, musa ukubathandazela aba bantu, ungaphimiseli kuhlahlamba nakuthandaza ngenxa yabo, ungandizami, ngokuba andiyi kukuphulaphula.

17Akuboni na abakwenzayo emizini yakwaYuda, nasezitratweni zaseYerusalem?

18Oonyana batheza iinkuni, ooyise baphemba umlilo, abafazi baxovula intlama, ukuba enzelwe izonkana ukumkanikazi wezulu; bathululèle thixo bambi umnikelo othululwayo, ukuze bandiqumbise.

19Baqumbisa mna na, utsho uYehova; àbaziqumbisi bona na, ukuze budane ubuso babo?

20Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, umsindo wam nobushushu bam buya kuphalazelwa phezu kwale ndawo, phezu kwabantu, naphezu kweenkomo, naphezu kwemithi yasendle, naphezu kweziqhamo zomhlaba, buvuthe bungacimi.

Kufunwa ukuphulaphulwa, akufunwa mibingelelo

21Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yongezani amadini enu anyukayo emibingelelweni yenu, nidle inyama.

22Ngokuba andithethanga nooyihlo, andibawiselanga methetho ngeendawo zamadini anyukayo nemibingelelo, mini ndabakhuphayo ezweni lamaYiputa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

23ke ndabamisela eli lizwi lokuthi, Phulaphulani ilizwi lam: ndoba nguThixo wenu,
nibe ngabantu bam, nihambe ngendlela yonke endinimiselayo, ukuze kulunge kuni.

24Ke abaphulaphulanga, abayithobanga indlebe yabo; báhamba ngamaqhinga,
ngobungqola bentliziyo yabo embi, bandinikela umhlana, ayaba bubuso.

25Kususela kwalaa mini baphuma ngayo ooyihlo ezweni lamaYiputa unanamhla,
ndábathumela kuni bonke abakhonzi bam, abaprofeti, ndibathuma imihla ngemihla
kwakusasa;

26ke àbaphulaphula kum, àbayithoba indlebe yabo; bayenza lukhuni intamo yabo,
benza okubi kunooyise.

27Ke ùya kuwathetha kubo la mazwi onke, abayi kukuphulaphula; umemeza kubo,
abayi kusabela.

28Ke yithi kubo, Lulo olu uhlanga olungaliphulaphuliyo ilizwi likaYehova uThixo walo,
olungayivumiyo intethiso. Kuphelile ukuthembeka, kunqumkile emlonyeni wabo.

Isimbonono ngenxa yabaza kufa kwaYuda

29Nqumla isithsaba sakho, Yerusalem, usilahle, umise isimbonono eluqayini; ngokuba
uYehova usicekisile, usincamile isizukulwana sokuphuphuma kwakhe umsindo.

30Ngokuba oonyana bakaYuda benzé into embi emehlweni am, utsho uYehova;
babeke izinto zabo ezinezothe endlwini elibizelwa phezu kwayo igama lam, ukuze
bayenze inqambi.

31Bakhé izigánga zaseTofete, ezisemfuleni wakwaBhen-hinom, ukuze batshise
oonyana babo neentombi zabo ngomlilo; into endingabawiselanga mthetho ngayo,
engathanga qatha entliziyweni yam.

32Ngako oko, yabona, iyeza imihla, utsho uYehova, abangasayi kuba sathi yiTofete,
ngumfula wakwaBhen-hinom; baya kuthi nguMfula wokuBulala, bangcwabele
eTofete ngenxa enokuba kungekho ndawo.

33Izidumbu zaba bantu ziya kuba kukudla kweentaka zasendle nokwezilo zelizwe,
kungabikho bani uziphekuzayo.

34Ndiya kuliphezisa emizini yakwaYuda nasezitratweni zaseYerusalem izwi lemihlali
nezwi lemivuyo, izwi lomyeni nezwi lomtshakazi; ngokuba liya kubharha ilizwe.

UYeremiya 8

1Ngelo xesha, utsho uYehova, aya kukhutshwa emangcwabeni abo amathambo
ookumkani bakwaYuda, namathambo abathetheli bakhe, namathambo ababingeleli,
namathambo abaprofeti, namathambo abemi baseYerusalem;

2anekwe elangeni, nasenyangeni, nasemkhosini wonke wezulu, izinto ezo
ababezithanda, ababezikhonza, ababezilandela, ababequqela kuzo, ababequbuda

© 1975 Bible Society of South Africa.

kuzo; akayi kuhlanganiswa, akayi kungcwatywa, aya kuba ngumgquba phezu kobuso bomhlaba.

3Konyulwa ukufa phezu kobomi ngamasalela onke aseleyo kule mizalwane ineento ezimbi, ezindaweni zonke endiwagxothele kuzo amasalela; utsho uYehova wemikhosi.

UYuda wona ngenkani

4Yithi ke kubo, Utsho uYehova ukuthi, Baya kuwa, bangavuki na? Úya kuphamba, angabuyi na umntu?

5Kungathuba lini na ukuba aba bantu baseYerusalem baphambe ngokuphamba okungunaphakade? Babambelela engohlisweni, bengavumi ukubuya.

6Ndabaza indlebe, ndeva, báthetha into engeyiyo; akukho bani uzohlwayayo ngeento zakhe ezimbi, athi, Yintoni na le ndiyenzileyo? Bonke bephela babuyela ekugidimeni kwabo, njengehashe lifunzela emfazweni.

7Kanti nengwamza ezulwini iyawazi amaxesha ayo amisiweyo; nehobe nehlankomo nendwe ziligcinile ixesha lokufika kwazo; ke bona abantu bam abalazi isiko likaYehova.

8Ningáthini na ukuthi, Sizizilumko, umyalelo kaYehova unathi? Yabonani, okwenene usiba lwababhali olubuxoki luwenze wabubuxoki.

9Zidanile izilumko, ziqhiphuke umbilini, zibanjisiwe; yabona, ziyalicekisa ilizwi likaYehova; zinobulumko bukabani na ke?

10Ngako oko abafazi babo ndiya kubanikela kubambi, namasimi abo ndiwanikele kwabawahluthayo; ngokuba, bethabathela komncinane besa komkhulu, bonke bephela babáwa bebawile; bethabathela kumprofeti besa kumbingeleli, bonke bephela benza ngobuxoki.

11Bakuphilisa kalula ukwaphuka kwentombi yabantu bam, besithi, Lúxolo, luxolo; kungekho luxolo.

12Baya kudaniswa, ngokuba benzé amasikizi; noko ke abadani nokudana, abakwazi ukuba neentloni; ngako oko baya kuwa phakathi kwabawàyo, ngexesha lokubavelela kwam baya kukhubeka; utsho uYehova.

13Ndiya kubatshayela impela, utsho uYehova; kungabikho zidiliya emdiliyeni, kungabikho makhiwane emkhiwaneni; igqabi liya kubuna; ndisuke ndimise abo baya kugqitha phezu kwabo.

14Sihlaleleni na? Zihlanganiseni, singene emizini enqatyisiweyo, sitshabalale khona; ngokuba uYehova uThixo wethu uza kusitshabalalisa, asiseze inyongo; ngokuba sonile kuYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Besithembe uxolo, akwabakho nto ilungileyo: besithembe ixesha lokuphiliswa, nanko ikukudandatheka.

16Livakala livela kwaDan ithatha lamahashe abo; ngezwi lokukhonya kweembalasane zamahashe abo liyanyikima ilizwe lonke. Bayeza, bayalidla ilizwe nenzaliseko yalo, umzi nabemi bawo.

17Ngokuba, yabonani, ndithumela phakathi kwenu iinyoka, amarhamba angenakukhafulwa, anilume; utsho uYehova.

Isingqala somprofeti ngenxa yezono zabantu bakowabo

18Uyé phi na umthuthuzeli wam esingqaleni? Inobulwelwe kum intliziyo yam.

19Nalo ilizwi lokuzibika kwentombi yabantu bakowethu, livela ezweni elikude, lisithi, UYehova akakho na eZiyon? akakho na kuyo ukumkani wayo? Kungathuba lini na ukuba bandiqumbise ngemifanekiso yabo eqingqiweyo, ngeento ezingento zolunye uhlanga?

20Ukuvuna kudlule, ihlobo liphelile, thina ke asikasindiswa.

21Ngenxa yokwaphuka kwentombi yabantu bakowethu, ndaphukile; ndinezimnyama zokuzila, ndibanjwe kukumangaliswa.

22Akukho mafutha aqholiweyo na eGiliyadi? Akukho gqirha na khona? Kutheni na ke ukuba kungàbotshwa ukwaphuka kwentombi yabantu bakowethu?

UYeremiya 9

Ukungathembeki nesohlwayo sako

1Ayaba intloko yam ibingamanzi, amehlo am aba lithende leenyembezi; bendiya kubalilela imini nobusuku ababuleweyo bentombi yabantu bakowethu!

2Akwaba bendinendawo yokulalisa kwabahambi entlango; bendiya kubashiya abantu bakowethu, ndimke kubo! Ngokuba bonke ngabakrexezi, yingqungquthela yamanginingini.

3Bayalutyeda ulwimi lwabo ngobuxoki njengesaphetha; àbaphathi ngokuthembeka ezweni; baphuma entweni embi, bangene entweni embi, babe mna ke bengandazi; utsho uYehova.

4Elowo makamlumkele ummelwane wakhe, ningakholosi nangomzalwana; ngokuba wonke umzalwana wenza ubuqhinga, wonke ummelwane uhamba ehleba.

5Elowo uyamkhohlisa ummelwane wakhe, abathethi nyaniso; bafundisa ulwimi lwabo ukuthetha ubuxoki, bazidìnise ngokwenza okugwenxa.

6Ukuhlala kwakho kuphakathi kwenkohliso; ngenkohliso àbavumi ukundazi; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ngako oko, utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Yabona, ndiya kubanyibilikisa, ndibacikide; ngokuba ndingáthini na ngenxa yentombi yabantu bam?

8Lutolo olubulalayo ulwimi lwabo; bathetha inkohliso; omnye uthetha uxolo ngomlomo wakhe kummelwane wakhe, ukanti embilinini wakhe umlalele.

9Mandingabavèleli na ke ngenxa yezo zinto? utsho uYehova; úngaziphindezeli na umphefumlo wam kuhlanga olunje?

10Ngenxa yeentaba ndibeka isililo nesimema, nangenxa yamakriwa entlango ndibeka isimbonono; ngokuba afakwé isikhuni, akwabakho bani ugqithayo kuwo, àlavakala izwi lemfuyo; kuthabathela ezintakeni zezulu lwesa ezilweni, kusatyiwe, kwemkiwa.

11Ndiyenzé iYerusalem yangumwewe, yazizikhundla zeempungutye; ndiyenzé imizi yakwaYuda yangamanxuwa, ayaba nammi.

12Ngubani na indoda elumkileyo, ikuqonde oku? othethileyo kuyo umlomo kaYehova, ikuxele? Kungenxa yani na ukuba ilizwe litshabalale, lifakwe isikhuni njengentlango, kungabikho bani ugqitha kulo?

13Wathi uYehova, Kungenxa enokuba bewushiyile umyalelo wam, endawubeka phambi kwabo, àbaliphulaphula ilizwi lam, àbahamba ngawo.

14Balandela ubungqola bentliziyo yabo, balandela ooBhahali, into abayifundiswa ngooyise.

15Ngako oko, utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabona, ndiya kubadlisa aba bantu umhlonyane, ndibaseze inyongo;

16ndibaphangalalise phakathi kweentlanga, ababengazazi bona nooyise; ndilithumele ikrele emva kwabo, ndide ndibaphelise.

17Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Gqalani, nibize iintokazi ezenza isimbonono, zize, nithumele kwezilumkileyo, zize;

18zingxame, ziphimisele phezu kwethu isimema; ehle iinyembezi amehlo ethu, zityityizele amanzi iinkophe zethu.

19Ngokuba ilizwi lesimema livakala liphuma eZiyon, lisithi, Hayi, ukubhuqeka kwethu! Sidané kakhulu, kuba silishiyile ilizwe, kuba bewakhahlele phantsi amakhaya ethu.

20Noko ke liveni, zintokazi, ilizwi likaYehova, indlebe yenu ilamkele ilizwi lomlomo wakhe, nizifundise iintombi zenu isimema, omnye afundise ummelwane wakhe isimbonono.

21Ngokuba kunyukile ukufa ngeefestile zethu; kungene ezingxandeni zethu ezinde, ukuba kunqumle abantwana ezitratweni, amadodana endaweni yembutho.

22Thetha uthi, Utsho uYehova ukuthi, Ziya kuwa ke izidumbu zabantu, njengomgquba phezu kwentsimi, nanjengesinde emva komvuni, kungabikho ubahlanganisayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Utsho uYehova ukuthi, Isilumko masingaqhayisi ngobulumko baso, igorha malingaqhayisi ngobugorha balo, isityebi masingaqhayisi ngobutyebi baso.

24Oqhayisayo makaqhayise ngale nto yokuba endiqiqa, endazi mna ukuba ndinguYehova, owenza inceba, nesiko, nobulungisa, ehlabathini; ngokuba ndinanzé ezo zinto; utsho uYehova.

25Yabona, iyeza imihla, utsho uYehova, endiya kubohlwaya ngayo bonke abalukileyo, phofu bengalukile:

26amaYiputa, namaYuda, namaEdom, noonyana baka-Amon, namaMowabhi, noonquthula-iinwele, abemi entlango; ngokuba zonke iintlanga zingabangalukileyo, nendlu yonke yakwaSirayeli ingalukile ngentliziyo.

UYeremiya 10

Ubudenge bonqulo-zithixo

1Liveni ilizwi alithethayo kuni uYehova, ndlu kaSirayeli.

2Utsho uYehova ukuthi, Musani ukuziqhelisa indlela yeentlanga, ningaqhiphuki umbilini yimiqondiso yezulu, ngakuba iintlanga ziqhiphuke umbilini yiyo.

3Ngokuba imimiselo yezizwe ayinto yanto. Kuba izithixo zingumthi ogawulwe ehlathini, sisenzo sezandla zengcibi ngezembe.

4Izivathisa ngesilivere nangegolide; baziqinisa ngezikhonkwane nangezando, ukuba zingagexagexi.

5Zinjengentsika echweliweyo, azithethi; zimele ukuthwalwa, ngokuba zingenakuhamba. Musani ukuzoyika; kuba azinakwenza bubi; kwanokulungisa azinako.

6Akukho namnye unjengawe, Yehova; ùmkhulu wena, likhulu igama lakho, linobugorha.

7Ngubani na ongeze akoyike, Kumkani weentlanga? Ngokuba kukufanele; kuba phakathi kwezilumko zonke zeentlanga, naphakathi kwezikumkani zonke, akukho namnye unjengawe.

8Zizityhakala, ziinyabi zodwa; uqeqesho lwento engento, ngumthi.

9Yisilivere ekhandiweyo, iziswa ivela eTarshishe, negolide yaseUfazi, isenzo sengcibi nesezandla zomnyibilikisi wegolide; yimisonto emsi nemfusa izambatho zazo; zonke ziphela zisisenzo sezilumko.

10Ke yena uYehova nguThixo, inyaniso, nguThixo ophilileyo, ngukumkani ongunaphakade; ihlabathi liyanyikima buburhalarhume bakhe, neentlanga azinakuluthwala ubhavumo lwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Nótsho kubo ukuthi, Bona oothixo abangalenzanga izulu nehlabathi, baya kudaka
ehlabathini, naphantsi kwezulu.

12Ke yena ngulowenza ihlabathi ngamandla akhe; ulozinzisa elimiweyo ngobulumko
bakhe; waneka izulu ngengqondo yakhe;

13kwakubon' ukuba kukho isithonga sokwenza kwakhe, ingxolo yamanzi ezulwini,
unyusa amafu esiphelweni sehlabathi; imvula uyenzela imibane, arhole umoya
koovimba bakhe.

14Uba sisityhakala wonke umntu, engenakwazi; udaniswa wonke umnyibilikisi
wegolide ngumfanekiso oqingqiweyo, ngokuba umfanekiso wakhe otyhidiweyo
bubuxoki, awunamoya.

15Zingamampunge ezo zinto, zizenzo zokugxekwa; ngexesha lokuvelelwa kwazo
ziyadaka.

16Àkanjengazo yena uSahlulelo sikaYakobi, ngokuba ngumbumbi weento zonke yena;
uSirayeli sisizwe selifa lakhe; nguYehova wemikhosi, igama lakhe.

Ukundulukela ekuthinjweni

17Hlanganisa impahla yakho, umke nayo kweli lizwe, wena uhleliyo ekungqingweni.

18Ngokuba uYehova utshilo ukuthi, Yabona, ngesi sihlandlo, ndisawula abemi
belizwe, ndibabandezele, ukuze bafunyanwe.

19Athi ke mna, ngenxa yokwaphuka kwam! Lelokubulala inxeba lam; ke mna ndithi,
Inyaniso, sisifo sam esi, ndiya kusinyamezela.

20Intente yam ibhuqiwe, neentambo zam zonke ziqhawukile; oonyana bam
baphumile kum, ababa sabakho; akusekho uyitwabululayo intente yam, amise
amalengalenga am.

21Ngokuba abalusi bába zizityhakala, àbamquqela uYehova; ngenxa yoko abenzanga
ngangqiqo, wachithwachitwa wonke umhlambi wabo.

22Phulaphulani! Kuvakala into; nantso isiza! Yingxolo enkulu, iphuma ezweni lasentla,
ukuze imizi yakwaYuda ibe ngamanxuwa, ibe sisikhundla seempungutye.

23Ndiyazi, Yehova, ukuba ayikhona emntwini indlela yakhe; akukhona endodeni
ehambayo ukuqinisela ukunyathela kwayo.

24Ndíthethise, Yehova, kodwa kube ngokwesiko, kungabi ngomsindo wakho, hleze
undinciphise.

25Phalaza ubushushu bakho phezu kweentlanga ezingakwaziyo, naphezu
kwemizalwane engalinquliyo igama lakho; ngokuba zimdlile uYakobi, zimdlile
zamgqiba, ikriwa lakhe zalenza laba senkangala.

UYeremiya 11

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukungathembeki emnqophisweni kuza nesohlwayo

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, lisithi,

2Waveni amazwi alo mnqophiso, nithethe kumadoda akwaYuda, nakubemi baseYerusalem;

3uthi kubo, Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Mayiqalekiswe indoda engawevayo amazwi alo mnqophiso,

4ndabawisela umthetho ngawo ooyihlo, mhla ndabakhuphayo ezweni laseYiputa, ezikweni lesinyithi; ndathi, Liphulaphuleni ilizwi lam, nenze ngako konke endiniwisela umthetho ngako: nòba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wenu;

5ukuze ndisimise isifungo endasifungela ooyihlo, ukuba ndibanike ilizwe elibaleka amasi nobusi, njengoko kunjalo namhla. Ndaphendula mna, ndathi, Amen, Yehova.

6Wathi uYehova kum, Wamemeze la mazwi onke emizini yakwaYuda, nasezitratweni zaseYerusalem, uthi, Yivani amazwi alo mnqophiso, niwenze.

7Ngokuba ndaqononondisa ndiqononondisa koyihlo, mhla ndabakhuphayo ezweni laseYiputa unanamhla, ndiqononondisa kwakusasa, ndisithi, Liphulaphuleni ilizwi lam.

8Ke abevanga, abayithobanga indlebe yabo; báhamba elowo ngobungqola bentliziyo yakhe enobubi. Ndesuka ke ndazìsa phezu kwabo onke amazwi alo mnqophiso, ndabawisela umthetho ngawo, ukuba bawenze; àbawenza.

9UYehova wathi kum, Kufunyenwe iyelenqe phakathi kwamadoda akwaYuda, naphakathi kwabemi baseYerusalem.

10Babuyéle kuzo izenzo ezigwenxa zooyise bamandulo, ababengavumi ukuweva amazwi am; ábasuka bona balandela thixo bambi ukuze babakhonze; indlu kaSirayeli nendlu kaYuda zawaphula umnqophiso wam endawenza nooyise.

11Ngako oko utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndibazisela ububi abangayi kuba nako ukuphuma kubo; bakhàle kum, ndingabaphulaphuli.

12Iya kuhamba ke imizi yakwaYuda nabemi baseYerusalem, bakhale koothixo abaqhumisela kubo, bangàbasindisi nokubasindisa ngexesha lobubi babo.

13Ngokuba ngangenani lemizi yakho, baba ngako oothixo bakaYuda; ngangenani lezitrato zaseYerusalem, zaba ngako izibingelelo enazimisela into elisikizi, izibingelelo zokuqhumisela kuBhahali.

14Wena ke musa ukubathandazela aba bantu, ungaphimiseli kuhlahlamba nakuthandaza ngenxa yabo; ngokuba andiyi kuva ngexesha lokukhala kwabo kum, ngenxa yobubi babo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ifuna ntoni intánda yam endlwini yam, isenza amayelenqe nje? Izibhambathiso nenyama engcwele zobususa na ububi bakho kuwe? Ùbungandula udlamke.

16UYehova wakubiza ngegama lokuba ungumnquma oluhlaza, oyimpuluswa, osiqhamo sihle; wafaka isikhuni kuwo, kúkho isandi sengxabatshitshi enkulu, aviveka amasebe awo.

17Ke uYehova wemikhosi, owakutyaláyo, uthethé okubi ngawe, ngenxa yezinto ezimbi zendlu kaSirayeli nezendlu kaYuda, abazenzeleyo ukuze bandiqumbise ngokuqhumisela uBhahali.

Iyelenqe lokumbulala umprofeti eAnatoti

18Ke kaloku uYehova wandazísa, ndazi; waza wandibonisa oko iintlondi zabo.

19Ndaba njengemvana embuna esiwa ekuxhelweni; bendingazi ukuba bacebe icebo ngam, besithi, Masiwonakalise umthi kunye neziqhamo zawo, masimnqumle ezweni labaphilileyo, lingabi sakhunjulwa igama lakhe.

20Yehova wemikhosi, ugwebayo ngobulungisa, uzicikidayo izintso nentliziyo, mandiyibone impindezelo yakho kubo; ngokuba ndiyityhilile kuwe imbambano yam nabo.

21Ngako oko, utsho uYehova ngamadoda aseAnatoni, awungxameleyo umphefumlo wakho, esithi, Uze ungàprofeti egameni likaYehova, ukuze ungafi ngezandla zethu;

22ngako oko, utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Yabona, ndiya kuwavelela; amadodana aya kufa likrele, oonyana babo neentombi zabo ziya kufa yindlala.

23Akuyi kubakho masalela kubo, ngokuba ndiwazisela ububi amadoda aseAnatoti, umnyaka wokuvelelwa kwawo.

UYeremiya 12

Ingxaki yempumelelo yabagwenxa

1Ùlilungisa, Yehova, xa ndibambeneyo nawe; ndothetha iindawo ezisesikweni zodwa. Kungathuba lini na ukuba indlela yabangendawo ibe nempumelelo, babe nokuchulumacha bonke abanginiza benginizile?

2Ùbatyéle, bendela nokwendela iingcambu; bayakhula, benze neziqhamo. Ùsondele emlonyeni wabo, wakude ezintsweni zabo.

3Wena, Yehova, uyandazi; uyandibona, uyicikida intliziyo yam enawe. Báqweqwedíse njengeegusha, baxhelwe, ubangcwalisele umhla wokubulawa.

4Kunini na ilizwe linesijwili, umfuno wamasimi onke womile? Ngenxa yeento ezimbi zabemi balo, ziphephethekile iinkomo neentaka; ngokuba besithi, Akayi kulibona ikamva lethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Xa ùgidime nabeenyawo, bakudinisa, wòthini na ukushiyiselana namahashe? Xa
ukholose ngelizwe elinoxolo, wòthini na ekweneni kweYordan?

6Ngokuba nabazalwana bakho, nendlu kayihlo, banginizile kuwe nabo; bayamemeza
emva kwakho nabo ngezwikazi elikhulu. Musa ukukholwa ngabo, xa bathetha izinto
ezilungileyo kuwe.

Ukuphanziswa kukaYuda zizizwe ezimelene naye

7Ndiyishiyile indlu yam, ndililahlile ilifa lam, ndiyinikele intánda yomphefumlo wam
esandleni seentshaba zayo.

8Ilifa lam lisuke laba njengengonyama yasehlathini kum, lindikhuphele ilizwi lalo;
ngenxa yoko ndilithiyile.

9Ilifa lam lukhozi oluthe chokochoko na kum, ukuba iinkozi zilingungele nje? Yizani,
nihlanganise onke amarhamncwa asendle; waziseni adle.

10Abalusi abaninzi basonakalisile isidiliya sam, basingqushile isizibá sam somhlaba;
basibharhisile isizibá sam esinqwenelekayo, sayintlango.

11Basibharhisile; sisijwili ngeenxa zonke kum; sibharhile, kusenkangala kulo lonke
ilizwe, ngokuba akubangakho mntu ukubekela intliziyo oko.

12Eluqayini lonke lwasentlango kufike ababhuqi; ngokuba ikrele likaYehova liyadla,
lithabathela ekupheleni kwelizwe, lise ekupheleni kwelizwe; akukho luxolo kwinyama
yonke.

13Báhlwayela ingqolowa, bavuna ameva; bazidubile, àbafeza utho. Danani ke
lúngeniselo lwenu, ngenxa yobushushu bomsindo kaYehova.

Ikamva lezizwe ezimelene noYuda

14Utsho uYehova ngabamelwane bam bonke abanobubi, abachukumisa ilifa
endalidlisa abantu bam amaSirayeli, ukuthi, Yabonani, ndiyabanyothula emhlabeni
wabo, ndiyinyothule indlu yakwaYuda phakathi kwabo.

15Kuya kuthi, emveni kokuba ndibanyothule, ndibuye ndibe nemfesane kubo,
ndibabuyisele elowo elifeni lakhe, elowo emhlabeni wakhe.

16Kothi, ukuba bathe bazifunda ngenkuthalo iindlela zabantu bam; ukuba bafunge
igama lam, bathi, Ehleli nje uYehova, njengoko babafundisáyo abantu bam ukufunga
uBhahali; baze bakheke phakathi kwabantu bam.

17Ke ukuba bathe abeva, ndolunyothula olu hlanga, ndilunyothule, ndilutshabalalise;
utsho uYehova.

UYeremiya 13

Umboniso wombhinqo welinen

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Utsho uYehova kum ukuthi, Hamba uye uzithengele umbhinqo welinen, uwubeke esinqeni sakho, ke uze ungawufaki emanzini.

2Ndawuthenga ke umbhinqo ngokwelizwi likaYehova, ndawubeka esinqeni sam.

3Kwafika ilizwi likaYehova kum okwesibini, lisithi,

4Wuthabathe umbhinqo owuthengileyo, osesinqeni sakho, usuke uye emEfrati, uwufihle khona emfanteni yengxondorha.

5Ndaya, ndawufihla emEfrati, njengoko wandiwisela umthetho ngako uYehova.

6Kwathi, ekupheleni kwemihla emininzi, wathi uYehova kum, Suka uye emEfrati, uwuthabathe khona umbhinqo endakuwisela umthetho ngawo, ukuba uwufihle khona.

7Ndaya ke emEfrati, ndemba, ndawuthabatha umbhinqo kuloo ndawo bendiwufihle kuyo, nango wonakele umbhinqo, ungàsenamsebenzi.

8Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

9Utsho uYehova ukuthi, Ndiya kwenjenje ukulonakalisa ikratski lakwaYuda, ikratshi elikhulu laseYerusalem.

10Aba bantu bànobubi, bangavumiyo ukuva amazwi am, bahambayo ngobungqola bentliziyo yabo, balandela thixo bambi, ukuze babakhonze, baqubude kubo: baya kuba njengaloo mbhinqo ungasenamsebenzi.

11Ngokuba njengokuba umbhinqo unamathela esinqeni sendoba, ndenjenjalo ukuyinamathelisa kum yonke indlu kaSirayeli, nendlu yonke kaYuda, utsho uYehova; ukuze kum ibe ngabantu, ibe ligama, ibe yindumiso, ibe sisihombo; ke abevanga.

12Uze uthethe kubo eli lizwi: Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yonke imiphanda iyazaliswa ngewayini. Baya kuthi kuwe, Asazi nokwazi na, ukuba yonke imiphanda iyazaliswa ngewayini?

13Wòthi ke kubo, Utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndibazalisa ngokunxila bonke abemi beli lizwe, kwaookumkani abahlalele uDavide etroneni yakhe, nababingeleli, nabaprofeti, nabemi bonke baseYerusalem;

14ndibahlekézele elowo kuwabo, ooyise noonyana kunye, utsho uYehova. Andiyi kuba nalufefe, andiyi kuba nanceba, andiyi kuba namfesane, ukuba ndingabonákalisi.

Uvuselelo lukaYuda olungenampumelelo

15Yivani, nibeke indlebe; musani ukuzidla, ngokuba uYehova uyathetha.

16Mzukiseni uYehova uThixo wenu, engekahlisi ubumnyama, zingekabetheki ezintabeni zocolothi iinyawo zenu; nithembé ukukhanya, ke yena ukwenza ithunzi lokufa, akwenze isithokothoko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ukuba anithanga nikuve oko, wólila umphefumlo wam entsithelweni ngenxa yoqhankqalazo lwenu; lityityizele lityityizela, lihle iinyembezi, iliso lam; ngokuba umhlambi kaYehova uthinjiwe.

18Yithi kukumkani nakwinkosikazi, Zithobeni, hlalani phantsi; ngokuba síyehla ezintlokweni zenu isithsaba sokuhomba kwenu.

19Imizi yelisezantsi ivaliwe, akukho ungayivulayo; uYuda ufudusiwe ephela; ufudusiwe kanye.

20Phakamisani amehlo enu, nibone abavela entla. Úphi na umhlambi obuwunikiwe, impahla yakho emfutshane entle?

21Wòthini na, xa athe abo ke ùbaqhelise ukuba ngamakholwane akho, wabenza bangabaveleli, bayintloko kuwe? Ayiyi kukubamba na inimba, njengomfazi ozalayo?

22Naxa uthe entliziyweni yakho, Kungani na ukuba ndifikelwe zezi zinto? ngobuninzi bobugwenxa bakho utyhilekile ingubo, zagonyamelwa izithende zakho.

23UmKushi únokuluguqula na ulùsu lwakhe, nengwe inokuwaguqula na amabala ayo? ningába ke ninako ukulungisa nani, baqhelé ukwenza okubi.

24Ndiya kuaphangalalisa ke, njengomququ ophephuka nomoya wentlango.

25Liqashiso lakho elo, isabelo sakho esilinganiselweyo ndim, utsho uYehova; ngokuba ùndilibele, wakholosa ngobuxoki.

26Nam ndiya kuyibhenqa ingubo yakho, ibe phezu kobuso bakho, kubonakale ukucukucezeka kwakho.

27Ukukrexeza kwakho nokukhonya kwakho amanyala okuhenyuza kwakho ezindulini ezindle, ndiwabonile amazothe akho. Athi ke wena, Yerusalem! Akuyi kuhlambuluka, ingafanelana ingumzuzu ongakanani na.

UYeremiya 14

Imbalela kwaYuda; umthandazo kaYeremiya

1Into eyafikayo kuYeremiya, ililizwi likaYehova, ngendawo yokunqumka kwemvula.

2Linesijwili elakwaYuda; amasango alo athe matshamatsha, ahlala emhlabeni enezimnyama zokuzila; kuyenyuka ukukhala kweYerusalem.

3Iingangamsha zabo zithuma abaphantsi kwazo amanzi; bafika emaquleni, bangafumani manzi; babuya imiphanda yabo izé, bedanile; bathi nqa, bagqubuthele intloko.

4Ngenxa yomhlaba oqhiphuke umbilini, kuba kungabangakho mvula ezweni, abalimi badanile, bagqubuthele intloko.

5Ewe, nemazi yexhama iyazala endle, iyishiye inkonyana, ngokuba kungekho luhlaza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Namaesile asendle emi eluqayini, esezela umoya njengeempungutye; ayaphela amehlo awo, ngokuba kungekho mifuno.

7Ukuba ubugwenxa bethu bungqina ngathi, Yehova, yenza ngenxa yegama lakho; ngokuba kuninzi ukuphamba kwethu; sonile kuwe.

8Themba likaSirayeli, Msindisi wakhe ngexesha lembandezelo, yini na ukuba ube njengomphambukeli kweli lizwe, ube njengomhambi olalise okobusuku obunye?

9Yini na ukuba ube njengendoda esuke yathi nka, ube njengegorha elingenakusindisa; kanti uphakathi kwethu, Yehova, negama lakho sibizwe ngalo. Musa ukusiyekela.

10Utsho uYehova kwaba bantu, ukuthi, Benjénje ukuthanda ukubhadula; iinyawo zabo abazinqandanga; uYehova akakholiswa ngabo; kungoku uya kubukhumbula ubugwenxa babo, azivelele izono zabo.

11Wathi uYehova kum, Musa ukubathandazela aba bantu, ukuba kulunge kubo.

12Xa bazila ukudla, andiyi kukuphulaphula ukuhlahlamba kwabo; naxa banyusa amadini anyukayo neminikelo yokudla, andiyi kukholiswa ngawo; ke ndiya kubaphelisa ngekrele, nangendlala, nangendyikitya yokufa.

13Ndaza ndathi, Kwowu, Nkosi Yehova, yabona, abaprofeti bathi kubo, Aniyi kubona krele, nendlala aniyi kuba nayo; ndiya kuninika uxolo oluyinyaniso kule ndawo.

14Wathi uYehova kum, Abaprofeti baprofeta ubuxoki egameni lam; andibathumanga, andibawiselanga mthetho, andithethanga kubo; bona baniprofetela umbono wobuxoki, nokuvumisa, nento engento, nenkohliso yentliziyo yabo.

15Ngako oko uthi uYehova, ngokusingisele kubaprofeti abaprofeta egameni lam, ndingabathumanga mna, abathi, Akuyi kubakho krele nandlala kweli lizwe; uthi, Baya kufa likrele nayindlala bona abo baprofeti.

16Naba bantu, baprofetela bona, baya kuba yimilahlwa ezitratweni zaseYerusalem ngenxa yendlala nekrele; kungabikho ubangcwabayo, bona, nabafazi babo, noonyana babo, neentombi zabo, ndibaphalazele ngeento zabo ezimbi.

17Ngoko uze uthethe kubo eli lizwi lokuthi, Amehlo am ahla iinyembezi ubusuku nemini, angaphezi; ngokuba yaphulwe ngolwaphulo olukhulu inkazana eyintombi yabantu bakowethu, ngenxeba elibulalayo kakhulu.

18Ukuba ndithe ndaphuma ndaya emaphandleni, nabó ababuleweyo likrele; ukuba ndithe ndangena kuwo umzi, nabó abáfa yindlala; ngokuba umprofeti kwanombingeleli bayaquleka ezweni abangalaziyo.

19Ùmcekisé kwaphela na uYuda? Údimele na yiZiyon umphefumlo wakho? Yini na ukuba usibethe, singabi nakuphiliswa? Sithembé uxolo, akwabakho nto ilungileyo; sithembé ixesha lokuphiliswa, nanko ikukudandatheka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Siyakwazi, Yehova, okungendawo kwethu, ubugwenxa boobawo; ngokuba sonile kuwe.

21Ngenxa yegama lakho, musa ukusigiba; ungayihlazisi itrone yobuqaqawuli bakho. Khumbula, ungawaphuli umnqophiso wakho nathi.

22Phakathi kothixo abangento beentlanga, bakhó na abangánisa imvula? Izulu lingáyinika na imivumbi? Asinguwe na, Yehova Thixo wethu? Sithembé wena; ngokuba uzenzile wena zonke ezo zinto.

UYeremiya 15

1Wathi ke uYehova kum, Kungafanelana kumi ooMoses noSamuweli phambi kwam, umphefumlo wam ubungebheki kwaba bantu. Bágxothe ebusweni bam, baphume.

2Kuya kuthi, xa bathe kuwe, Siphùme siye ngaphi na? uthi kubo, Utsho uYehova ukuthi, Abokufa bafe; abekrele babe ngabekrele; abendlala babe ngabendlala; abokuthinjwa bathinjwe.

3Ndobavelela ngeentlobo eziné, utsho uYehova: ikrele, ukuba libulale; izinja, ukuba zirhwiqilize; iintaka zezulu nezilo zomhlaba, ukuba zidle, ukuba zonakalise.

4Ndobanikela kwizikumkani zonke zehlabathi ukuba babe yinto yokunqakulwa, ngenxa kaManase unyana kaHezekiya, ukumkani wakwaYuda, ngenxa yoko wakwenzayo eYerusalem.

5Ewe, ngubani na oya kuba nofefe kuwe, Yerusalem? ngubani na oya kukukhuza? ngubani na oya kuphambuka, abuze ukuphila kwakho?

6Wena ùndilahlile, utsho uYehova, ùbùye umva; ndiya kusolula isandla sam ngakuwe, ndikonakalise; ndidiniwe kukuzohlwaya.

7Ndiyabachithachitha ngexhayi emasangweni elizwe, ndibahluthe abantwana abantu bam, ndibatshabalalise, bengabuyi nje ezindleleni zabo.

8Abahlolokazi babo baziimfidi kum kunentlabathi yolwandle; ndizisa kubo phezu konina wamadodana umbhuqi emini enkulu; ndibawisela ngesiquphe inimba nokukhwankqiswa.

9Úyantshwenya ozele abasixhenxe, uphuma umphefumlo; liyatshona ilanga lakhe kusesemini; udanile, uneentloni; namasalela abo ndiwanikela ekreleni phambi kweentshaba zabo; utsho uYehova.

Intlungu yomprofeti nentuthuzelo yakhe

10Athi ke mna, ma, ukuba uzale umna, umntu wembambano, umntu wengxabano nehlabathi lonke! Andibolekanga, andabolekwa; kanti bonke bephela bayanditshabhisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11UYehova uthi, Inyaniso, ndiya kukuqinisela wena kokulungileyo; inyaniso, utshaba
ndiya kulubongozisa kuwe, ngexesha lobubi nangexesha lembandezelo.

12Sikha saphuke na isinyithi, isinyithi sasentla, nobhedu?

13Ubutyebi bakho nobuncwane bakho ndobunikela ukuba bube lixhoba,
kungengaxabiso, ngenxa yezono zakho zonke, nasemideni yakho yonke;

14ndíbuweze neentshaba zakho, ndibuye ezweni ongalaziyo; ngokuba kuphenjwé
umlilo ngomsindo wam, uvutha phezu kwenu.

15Wena, Yehova, uyazi, Ndíkhumbule, undivelele, undiphindezelele kubasukeli bam;
ekuzekeni kade komsindo wakho ungàndikhukulisi; yazi ukuba ndithwele ihlazo
ngenxa yakho.

16Afumaneka amazwi akho, ndawadla; amazwi akho kum àba yimihlali nemivuyo
yentliziyo yam, ngokuba ndabizwa ngegama lakho, Yehova, Thixo wemikhosi.

17Andihlalanga embuthweni yabahleki, andidlamkanga nokudlamka; ngenxa
yesandla sakho ndahlala ndedwa; ngokuba undizalisile ngokubhavuma.

18Yini na ukuba umvandedwa wam uhlale uhleli, nenxeba lam libulale, lingavumi
ukuphola? Wòhla ube ngumlambo okholisayo na kum, omanzi angahlaliyo na?

19Ngako oko utsho uYehova ukuthi, Ukuba uthe wabuya, ndokubuyisa, ubuye ume
phambi kwam; ukuba uthe wakhupha okunqabileyo kokungení, woba njengomlomo
wam; abo baya kubuyela kuwe; ke wena akuyi kubuyela kubo.

20Ndiya kukwenza udonga lobhedu olunqatyisiweyo kwaba bantu, balwe nawe,
bangabi nakukuthini; ngokuba ndinawe, ukuze ndikusindise mna, ndikuhlangule;
utsho uYehova.

21Ndiya kukuhlangula esandleni sabangendawo, ndikukhulule ekubambeni
kwabangcangcazelisayo.

UYeremiya 16

Iinkathazo ezizayo zisisohlwayo sesono

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Uze ungazeki mfazi, ungabi nanyana nazintombi kule ndawo.

3Ngokuba uYehova utsho ngoonyana neentombi ezizalelwa kule ndawo, nangoonina
ababazalayo, nangooyise ababazalayo kweli lizwe, ukuthi,

4Baya kufa zizifo ezibulalayo, bangàmbanjazelelwa, bangàngcwatywa; baya kuba
ngumgquba phezu komhlaba; baya kuphela likrele nayindlala, nezidumbu zabo zibe
kukudla kweentaka zezulu nokwezilo zomhlaba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Musa ukungena endlwini yesijwili, ungayi kumbambazela, ungabakhuzi; ngokuba ndilususile kwaba bantu uxolo lwam, inceba nemfesane yam; utsho uYehova.

6Kuya kufa abakhulu kwanabancinane kweli lizwe, bangàngcwatywa, kungàmbanjazelwa ngenxa yabo, kungàcentwa, kungàchetywa ntloko ngenxa yabo;

7bangàqhekezelwa sonka esijwilini sabo, ukuba bathuthuzelwe ngenxa yofileyo; bangàsezwa ngendebe yentuthuzelo ngenxa yooyise nangenxa yoonina.

8Uze ungangeni endlwini yesidlo, ukuba uhlale nabo, udle, usele.

9Ngokuba utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabonani, ndiya kuliphezisa kule ndawo, phambi kwamehlo enu nangemihla yenu, izwi lemihlali nezwi lemivuyo, izwi lomyeni nezwi lomtshakazi.

10Ke kaloku kothi, xa uthe wabaxelela aba bantu la mazwi onke, baza bathi kuwe, Kungenxa yani na ukuba uYehova abuthethe ngathi bonke obu bubi bukhulu kangaka, buyini na ubugwenxa bethu, siyini na isono sethu, esoné ngaso kuYehova uThixo wethu?

11wothi kubo, Kungenxa yokuba ooyihlo bendishiyile, utsho uYehova; balandela thixo bambi, babakhonza, baqubuda kubo; mna bandishiya, umyalelo wam àbawugcina;

12nasuka ke nina nenza okubi ngaphezu kooyihlo; nanko, nilandela elowo ubungqola bentliziyo yakhe enobubi, ningandiphulaphuli.

13Ndiya kunijulela ngaphandle kweli lizwe, niye ezweni eningalazanga, nina nooyihlo, nikhonzele khona apho thixo bambi imini nobusuku; ngokuba ndingayi kuba natarhu kuni.

14Ngako oko, yabonani, iyeza imihla, utsho uYehova, ekungayi kuba sathiwa, Ehleli nje uYehova, owabanyusayo oonyana bakaSirayeli ezweni laseYiputa; ekuya kuthiwa,

15Ehleli nje uYehova, owabanyusayo oonyana bakaSirayeli ezweni lasentla, nasemazweni onke ebebagxothele kuwo; ndobabuyisela kowabo umhlaba endawunika ooyise.

16Yabonani, ndithumela ababambisi beentlanzi abaninzi, beze bababambise, utsho uYehova; emveni koko ndithumèle abazingeli abaninzi, beze babazingele, baphume nabo ezintabeni zonke, nasezindulini zonke, nasezimfanteni zeengxondorha.

17Ngokuba amehlo am akuzo zonke iindlela zabo, àzisithele kum; àbufihlakèle ubugwenxa babo phambi kwamehlo am.

18Kuqala, ndobuvuza kabini ubugwenxa babo nesono sabo ngenxa yokulihlambela kwabo ilizwe lam ngezidumbu zezinto zabo ezinezothe, belizalisa ilifa lam ngamasikizi abo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Yehova, mandla am, nqaba yam, ndawo yokusabela kwam ngomhla wembandezelo, ziya kuza kuwe iintlanga, zivela eziphelweni zehlabathi, zithi, Oobawo bádla ilifa lobuxoki bodwa, amampunge la, ekungekho nto inokunceda phakathi kwawo.

20Umntu uya kuzenzela oothixo yini na, bengengabo oothixo?

21Ngako oko, yabona, ndiyabazísa ngesi sihlandlo, ndibazíse isandla sam nobugorha bam, bazi ukuba igama lam linguYehova.

UYeremiya 17

1Isono sikaYuda sibhalwe ngenkxola yesinyithi, sakrolwa ngetsolo ledayiman elucwecweni lwentliziyo yabo, nasezimpondweni zezibingelelo zenu.

2Njengokubakhumbula kwabo oonyana babo, bayazikhumbula izibingelelo zabo, nooAshera babo ngasemithini eluhlaza, ezindulini ezinde.

3Ntaba yam esezweni, ubutyebi bakho nobuncwane bakho bonke ndibunikela ekuphangweni, nezigánga zakho ngenxa yezono emideni yakho yonke.

4Ùya kuliyeka ngokwakho ilifa lakho endakunikayo, ndikukhònzise kwiintshaba zakho elizweni ongalaziyo; ngokuba niwuphembile umlilo ngomsindo wam, uvutha usa ephakadeni.

5Utsho uYehova ukuthi, Iqalekisiwe indoda ekholose ngomntu, eyenza inyama ingalo yayo, intliziyo yayo imke nje kuYehova;

6ibe njengochushuluzayo enkqantosini, ingaboni kufika nto ilungileyo; ime engqaqasini, entlango, ezweni letyuwa elingenammi.

7Isikelelwe indoda ekholose ngoYehova, enkoloseko ikuYehova;

8kuba yoba njengomthi omiliselwe emanzini, unabise iingcambu zawo phezu komlambo, ungoyiki xa kuthe kweza ubushushu; aqhame amagqabi awo, ungakhathali ngomnyaka wokubalela, ungayeki ukuvelisa iziqhamo.

9Intliziyo inenkohliso ngaphezu kweento zonke, isisifo esibi; ngubani na onokuyazi?

10Mna, Yehova, ndiyayigocagoca intliziyo, ndiyazicikida izintso, ukuze ndinike ulowo nalowo ngokwendlela yakhe, ngokwesiqhamo seentlondi zakhe.

11Njengesikhwatsha esifukamela amaqanda esingawazalanga, unjalo ozuza ubutyebi ngokungesesikweni; uya kubushiya phakathi kwemihla yakhe, abe sisidenge ekupheleni kwakhe.

12Wena trone yobuqaqawuli, mongamo kwasekuqaleni, ndawo yengcwele yethu;

13themba likaSirayeli, Yehova, bonke abakushiyayo baya kudana. Abatyekayo kum baya kubhalelwa emhlabeni, ngokuba belishiyile ithende lamanzi aphilileyo, uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ndíphilise, Yehova, ndiphile; ndísindise, ndisinde; ngokuba indumiso yam nguwe.

15Yabona, bathi, Liphi na ilizwi likaYehova? malize kalokunje.

16Mna andikubalekelanga ukuba ngumalusi emva kwakho; andiwunqwenelanga umhla onesifo, wena uyazi; okuphume emlonyeni wam bekuphambi kobuso bakho.

17Musa ukundiqhiphula umbilini; ùlihlathi lam ngomhla wobubi.

18Mabadane abandisukelayo, mandingadani mna; mabaqhiphuke umbilini bona, mandingaqhiphuki umbilini mna; bàzisele imini yobubi, ubaphule ngolwaphulo olubini.

Ukugcinwa kwesabatha

19UYehova watsho kum ukuthi, Hamba uye kuma esangweni loonyana babantu, abangena ngalo ookumkani bakwaYuda, abaphuma ngalo, nasemasangweni onke aseYerusalem;

20uthi kubo, Liveni ilizwi likaYehova, nina kumkani bakwaYuda, nani maYuda nonke, nani bemi bonke baseYerusalem, bangenayo ngala masango.

21Utsho uYehova ukuthi, Zigcineni ngenxa yemiphefumlo yenu, ningà thwali mthwalo ngomhla wesabatha, niwungenise ngamasango aseYerusalem;

22ningaphumi nomthwalo ezindlwini zenu ngomhla wesabatha, ningenzi nalinye ishishini. Wungcwaliseni umhla wesabatha, njengoko ndabawiselayo umthetho ooyihla.

23Ke abevanga, abazithobanga iindlebe zabo, bayenza lukhuni intamo yabo, ukuze bangevi, ukuze bangavumi ntethiso.

24Kothi ke, ukuba nithe nandiphulaphula, utsho uYehova, ànangenisa mthwalo ngamasango alo mzi ngomhla wesabatha, nawungcwalisa umhla wesabatha, ànenza nalinye ishishini ngawo:

25kothi ke kungene ngamasango alo mzi ookumkani nabathetheli, abahleli etroneni kaDavide, bekhwele ezinqwelweni nasemahasheni, bona, nabathetheli babo, amadoda akwaYuda, nabemi baseYerusalem; lo mzi umìwe ngonaphakade,

26Baya kuvela emizini yakwaYuda, nangeenxa zonke eYerusalem, nasezweni lakwaBhenjamin, nasesithabazini, nakwelithe thabalala, nakwelisezantsi, bezisa amadini anyukayo, nemibingelelo, neminikelo yokudla, nentlaka emhlophe; bangenise umbulelo endlwini kaYehova.

27Ke ukuba anithanga nindiphulaphule, ukuba niwungcwalise umhla wesabatha, ningathwali mthwalo, ningangeni ngamasango aseYerusalem ngomhla wesabatha: ndofaka isikhuni emasangweni ayo, udle iingxande ezinde zaseYerusalem, ungàcinywa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYeremiya 18

Umbumbi nodongwe

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, lalisithi,

2Suka uhle, uye endlwini yombumbi, ndikuvise khona amazwi am.

3Ndehla ke, ndaya endlwini yombumbi, nanko esenza ishishini ezintendeni.

4Sakonakala isitya abesenza ngodongwe, esandleni sombumbi, wabuya wenza sitya simbi ngalo, njengoko kwakuthe tye emehlweni ombumbi ukusenza.

5Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

6Andinako na ukuxelisa lo mbumbi ukwenza kuni, ndlu kaSirayeli? utsho uYehova. Yabonani, njengoko lunjalo undongwe esandleni sombumbi, ninjalo nina esandleni sam, ndlu kaSirayeli.

7Ngephanyazo ndithetha ngohlanga nobukumkani, ukuba ndilunyothule, ukuba ndiludilize, ukuba ndilutshabalalise.

8Ukuba ke olo luhlanga lubuyile ezintweni zalo ezimbi, olo ndithethe ngalo, ndozohlwaya ngenxa yobubi, ebe ndisithi ndiza kubenza kulo.

9Ngephanyazo ndithetha ngohlanga nobukumkani, ukuba ndilwakhe, ukuba ndilutyale;

10kodwa ke ukuba luthi lwenze okubi emehlweni am, lungaliphulaphuli ilizwi lam, ndozohlwaya ngenxa yokulungileyo, ebendisithi ndiza kukwenza kulo.

11Ngoku ke khawuthethe kumadoda akwaYuda, nakubemi baseYerusalem, uthi, Utshilo uYehova ukuthi, Yabonani, ndinibumbela ububi, ndiceba ngani icebo; khanibuye elowo endleleni yakhe enobubi, nilungise iindlela zenu neentlondi zenu.

12Ke bona bathi, Kuncamekile; ngokuba siya kulandela awethu amacebo, senza elowo ubungqola bentliziyo yakhe enobubi.

13Ngako oko, utsho uYehova ukuthi, Khanibuze phakathi kweentlanga, ngubani na okhe weva into enje? Yenzé into ebanga amanwele kunene intombi enguSirayeli.

14Ikhephu laseLebhanon liya kulishiya na iliwa lasezweni? Amanzi anengqele, aqukuqelayo evela kude, aya kutsha na?

15Ukanti abantu bam bandilibele; baqhumisela kwizinto ezikhohlakeleyo, zabakhubekisa ezindleleni zabo, emendweni engunaphakade, ukuze bahambe ngeengqushu, ngendlela engalungeleliswanga;

16ukuze balenze ilizwe labo ummangaliso nomsondlo ongunaphakade; bonke abagqitha kulo baya kumangaliswa, bahlunguzele iintloko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Njengomoya wasempumalanga, ndiya kubaphangalalisa phambi kotshaba;
ndibanikele umhlana, ndingabanikeli ubuso, ngomhla wokusindeka kwabo.

18Báthi ke, Yizani siyile iqhinga ngoYeremiya; ngokuba awuyi kuphela umyalelo
kumbingeleli, necebo kwisilumko, nelizwi kumprofeti. Yizani simbethe ngolwimi,
singawabazeli ndlebe amazwi akhe onke.

19Ndíbazele indlebe, wena Yehova; líve izwi lababambene nam.

20Kuya kuvuzwa ngobubi na esikhundleni sokulungileyo, ukuba bawumbele isihogo
nje umphefumlo wam? Khumbula ukuma kwam phambi kwakho, ukuba ndithèthe
okulungileyo ngabo, ukuba ndibuyise ubushushu bakho kubo.

21Ngako oko bànikele oonyana babo endlaleni, ubalahlele emandleni ekrele, abafazi
babo bangabi nabantwana, babe ngabahlolokazi, amadoda abo abulawe kukufa,
amadodana abo abulawe likrele emfazweni.

22Makuvakale ukukhala ezindlwini zabo, xa abuzisela amatutu ngesiquphe; ngokuba
bambé isihogo sokundibambisa, iinyawo zam bazifihlela izibatha.

23Ke wena, Yehova, uyawazi onke amaqhinga abo okundibulala. Musa ukubuxolela
ubugwenxa babo ngocamagusho, ungasicimi isono sabo ebusweni bakho; ukuze
bakhubeke phambi kwakho. Ngexesha lomsindo wakho, yenza kubo.

UYeremiya 19

Ingqayi yombumbi wezitya zodongwe

1Utsho uYehova ukuthi, Yiya uthenge ingqayi yombumbi wezitya
zodongwe, uthabathe inxenye yamadoda amakhulu abantu, neyamadoda amakhlu
ababingeleli;

2uphume uye emfuleni wakwaBhen-hinom olunge nesango leenkamba, umemeze
khona amazwi endiya kuwathetha kuwe.

3Wòthi, Liveni ilizwi likaYehova, kumkani bakwaYuda, nani bemi baseYerusalem;
utsho uYehova wemikhosi, uThixo wakwaSirayeli, ukuthi, Yabonani, le ndawo
ndiyizisela ububi, obuya kubetha zithi nzwi iindlebe zabo bonke ababuvayo;

4ngenxa enokuba bendishiyile mna, bayenza eyasemzini le ndawo baqhumisela
thixweni bambi abangabaziyo, bona, nooyise, nookumkani bakwaYuda, bayizalisa le
ndawo ngegazi labamsulwa.

5Bamakhela uBhahali izigánga, ukuze babatshise oonyana babo ngomlilo, babe
ngamadini anyukayo kuBhahali, into endingabawiselanga mthetho ngayo,
endingayithethanga, engathanga qatha entliziyweni yam.

6Ngako oko uyabona, iyeza imihla, utsho uYehova, engasayi kuba sabizwa le ndawo
ngokuthi yiTofete, nomfula wakwaBhen-hinom; kuya kuthiwa nguMfula wokuBulala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ndiya kulithululela iqhinga lakwaYuda neYerusalem kule ndawo, ndibawise ngekrele phambi kweentshaba zabo, nangezandla zabawufunayo umphefumlo wabo, ndizinikele izidumbu zabo zibe kukudla ezintakeni zezulu nasezilweni zomhlaba.

8Ndiya kuwenza lo mzi ube ngummangaliso nomsondlo; bonke abagqitha kuwo bomangaliswa, benzé umsondlo ngazo izibetho zawo zonke.

9Ndiya kubadlisa inyama yoonyana babo nenyama yeentombi zabo, elowo adle inyama yowabo, ekungqingweni nasekucuthweni, eziya kubacutha ngako iintshaba zabo, nabawufunayo umphefumlo wabo.

10Uze ke uyiqhekeze ingqayi emehlweni amadoda ahamba nawe, uthi kuwo,

11Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Ndiya kwenjenje ukubaqhekeza aba bantu nalo mzi, njengokuqhekezwa kwezitya zombumbi, ezingasenakubuya zingcitywe; babangcwàbele eTofete, ngokungabikho ndawo yakungcwaba.

12Ndiya kwenjenjalo kule ndawo, utsho uYehova, nakubemi bayo, ukuze lo mzi ndiwenze ube njengeTofete.

13Izindlu zeYerusalem nezindlu zookumkani bakwaYuda zoba yinqambi, njengendawo yeTofete: zonke izindlu, abaqhumisela phezu kophahla lwazo kuwo wonke umkhosi wasezulwini, bathululele thixo bambi iminikelo ethululwayo kubo.

14Wabuya uYeremiya eTofete, apho uYehova abemthumele khona ukuba aprofete; wema entendelezweni yendlu kaYehova, wathi kubantu bonke,

15Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabonani, ndiwuzisela lo mzi, nemizi yawo yonke, bonke ububi endibuthethileyo ngawo; ngokuba beyenzé lukhuni intamo yabo, ukuze bangawevi amazwi am.

UYeremiya 20

UYeremiya esitokisini

1Ke kaloku, uPashure unyana kaImere, umbingeleli, lowo ke ubengumveleli oyingànga endlwini kaYehova, weva uYeremiya eprofeta la mazwi.

2UPashure wambetha uYeremiya umprofeti, wamfaka esitokisini esisesangweni lasentla lakwaBhenjamin, elisendlwini kaYehova.

3Kwathi ngengomso, uPashure wamkhupha uYeremiya esitokisini. Wathi uYeremiya kuye, UYehova àkathi linguPashure igama lakho; úthi linguNxunguphala-ngeenxa-zonke.

4Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndikwenza ukuba uzinxunguphalise wena ngokwakho, nabo bonke abakuthandayo; bawe likrele leentshaba zabo, abone amehlo akho, ndiwanikèle onke amaYuda esandleni sokumkani waseBhabhedi, abafudusele eBhabheli, ababulale ngekrele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ndoyinikela yonke ingqwebo yalo mzi, nongeniselo lwawo lonke, neento zawo
zonke ezinqabileyo; nobuncwane bonke bookumkani bakwaYuda ndibunìkele
ezandleni zeentshaba zabo, zibuphange, zibuthabathe, zibuse eBhabheli.

6Wena Pashure, nabo bonke abahleli endlwini yakho, niya kuthinjwa; uyé eBhabheli,
ufele khona, ungcwatyelwe khona, wena nabakuthandayo bonke, abaprofetele
ubuxoki.

Ukudana komprofeti

7Yehova, ùndirhwebeshile, ndarhwebesheka; undibambile, wandeyisa, ndaba
yintlekisa yonke imini; bonke bephela bayandigculela.

8Ngokuba ndithi, ndakuthetha, ndikhale, ndidanduluke, ndithi, Lugonyamelo
nobhuqo; ngokuba ilizwi likaYehova laba sisingcikivo nesicukucezo kum yonke imini.

9Ndithi ndakuthi, Andisayi kumkhankanya, andisayi kuthetha engameni lakhe:
kusuke entliziyweni yam kunge ngumlilo otshayo, uvalelwe emathanjeni am;
ndadinwa kukunyamezela, andaba nako.

10Ngokuba ndivile intlebendwane yabaninzi, bathi, Kukunxunguphala ngeenxa zonke.
Xelani, simxele. Bonke abafo ababexolelene nam balinde ukuqhwalela kwam; bathi,
Mhlawumbi angárhwebesheka, simeyise, simphindezele.

11Ke uYehova unam, njengegorha elingcangcazelisayo; ngenxa yoko baya kukhubeka
abandisukelayo, abayi koyisa; baya kudana kakhulu, ngokuba bengenzanga
ngengqiqo; ihlazo labo lingunaphakade, alinakulityalwa.

12Wena ke, Yehova wemikhosi, ulicikidayo ilungisa, uzibonayo izintso nentliziyo,
mandiyibone impindezelo yakho kubo; ngokuba ndikutyhílele ubambano lwam.

13Vumani kuYehova, mdumiseni uYehova, ngokuba ewuhlangule umphefumlo
wehlwempu esandleni sabenzi bobubi.

14Mawuqalekiswe umhla endazalwa ngawo; umhla awandizala ngawo uma
mawungasikeleleki.

15Mayiqalekiswe indoda, eyamshumayeza ubawo udaba lokuthi, Ùzalelwe
umntwana oyinkwenkwe; yamvuyisa kakhulu.

16Loo ndoda mayibe njengemizi awayibhukuqayo uYehova, akazohlwaya; mayive
ukukhala kusasa, ive kuhlatywa umkhosi emini enkulu;

17ngokuba ingandibulalanga kwasesizalweni, waza waba lingcwaba lam uma, isizalo
sakhe sahlala sindimithi.

18Ibiyini na ukuba ndiphume esizalweni, ukuze ndibone ukwaphuka nesingqala,
iphele imihla yam kukudana?

UYeremiya 21

© 1975 Bible Society of South Africa.

Isiphumo songqingo lweYerusalem

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, ekuthumeni kokumkani onguZedekiya
ooPashure unyana kaMalekiya, noZefaniya unyana kaMahaseya, umbingeleli, kuye,
ukuthi, Khawusibuzele kuYehova,

2ngokuba uNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli, esilwa nathi; mhlawumbi
uYehova wosenzela ngokwemisebenzi yakhe yonke ebalulekileyo, enyuke esuke
kuthi yena.

3Wathi uYeremiya kubo, Nòtsho kuZedekiya ukuthi,

4Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabonani, ndiyazijika iimpahla zemfazwe
ezisezandleni zenu, enilwa ngazo nokumkani waseBhabheli, namaKaledi
aningqingayo, ngaphandle kodonga, ndizihlanganisele esazulwini salo mzi.

5Ndiya kulwa nani mna ngesandla esolukileyo, nangengalo ethe nkqi, ndínomsindo,
ndínobushushu, ndínoburhalarhume obukhulu.

6Ndiya kubabetha abemi balo mzi, abantu kwaneenkomo; baya kufa yindyikitya
yokufa enkulu.

7Emveni koko, utsho uYehova, ndomnikela uZedekiya ukumkani wakwaYuda,
nabakhonzi bakhe, nabantu abo baseleyo kulo mzi, endyikityeni yokufa, nasekreleni,
nasendlaleni; ndibanikele esandleni sikaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli,
nasesandleni seentshaba zabo, nasesandleni sabawufunayo umphefumlo wabo;
ábabéthe ngohlangothi lwekrele; akayi kuba nanceba kubo, akayi kubaconga, akayi
kuba namfesane.

8Ke kwaba bantu wòthi, Utsho uYehova ukuthi, Yabonani, ndibeka phambi kwenu
indlela yobomi nendlela yokufa.

9Othe wahlala kulo mzi uya kufa likrele, nayindlala, nayindyikitya yokufa; ke yena
othe waphuma, waphambela kumaKaledi aningqingayo, uya kuphila umphefumlo
wakhe, ube lixhoba kuye.

10Ngokuba ubuso bam kulo mzi ndibumisele ububi, àndibumisele okulungileyo,
utsho uYehova; úya kunikelwa esandleni sokumkani waseBhaheli, awutshise
ngomlilo.

11Ke kwindlu yokumkani wakwaYuda wòthi,

12Yivani ilizwi likaYehova. Ndlu kaDavide, utsho uYehova ukuthi, Thethani amatyala
imiso yonke, ophangiweyo nimhlangule esandleni somcudisi, hleze ubushushu bam
buphume njengomlilo, butshise, kungabikho ucimayo ngenxa yobubi beentlondi
zenu.

13Yabonani, ndichasene nani, bemi bentili, beliwa lehewu, utsho uYehova; nina
bàthi, Ngubani na oya kuhla phezu kwethu? ngubani na oya kusingenela emakhaya?

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ke ndonivelela ngokwesiqhamo seentlondi zenu, utsho uYehova; ndifake isikhuni ehlathini layo, udle umlilo ngeenxa zonke kuyo.

UYeremiya 22

Ukuprofeta usizi okusingiselwa kokumkani bakwaYuda

1Utsho uYehova ukuthi, Yihla uye endlwini yokumkani wakwaYuda, uthethe khona eli lizwi,

2uthi, Live ilizwi likaYehova, kumkani wakwaYuda, uhleliyo etroneni kaDavide, wena, nabakhonzi bakho, nabantu bakho abangénayo ngala masango.

3Utsho uYehova ukuthi, Yenzani okusesikweni nobulungisa, ophangiweyo nimhlangule esandleni somcudisi, ningamxinzeleli phantsi; ningamgonyameli owasemzini nomhlolokazi nenkedama; ningaphalazi gazi limsulwa kule ndawo.

4Ngokuba xa nithe nalenza nokulenza eli lizwi, bongena ngamasango ale ndlu ookumkani, abahlalela uDavide etroneni yakhe, bekhwele ezinqwelweni nasemahasheni, yena, nabakhonzi bakhe, nabantu bakhe.

5Ke ukuba nithe anaweva la mazwi, ndizifungile mna, utsho uYehova, ukuba le ndlu iya kuba linxuwa.

6Ngokuba utshilo uYehova ngendlu yokumkani wakwaYuda, ukuthi, ÙlelaseGiliyadi wena kum, uyincopho yeLebhanon; inyaniso, ndiya kukwenza intlango, imizi engamiweyo.

7Ndiya kukungcwalisela abonákalisi, elowo abe neempahla zakhe, bagawule imisedare yakho enyuliweyo, bayiphose emlilweni.

8Kodlula kulo mzi iintlanga ezininzi, bathi elowo kummelwane wakhe, Kungenxa yani na ukuba uYehova enjenje kulo mzi mkhulu?

9Bathi ke, Kungenxa yokuba bewushiyile umnqophiso kaYehova uThixo wabo, baqubuda thixweni bambi, babakhonza.

10Musani ukumlilela ofileyo, ningahlunguzeli intloko ngenxa yakhe; lilani nilile ngomkileyo; ngokuba akasayi kubuya abuye, alibone ilizwe lokuzalwa kwakhe.

11Ngokuba utsho ukuthi uYehova, ngoShalum unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, owaba ngukumkani esikhundleni sikaYosiya uyise, owaphuma kule ndawo, Akasayi kubuya abuyele apha;

12ke uya kufela endaweni abamfudusele kuyo, angabi sabuya alibone eli lizwe.

13Yeha, oyakhayo indlu yakhe kungengabulungisa, namagumbi akhe aphezulu kungengokusesikweni; komkhonzisayo ummelwane wakhe ngelizé, angamniki umvuzo wakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

14othí, Ndiya kuzakhela indlu ebanzi, namagumbi aphezulu anombilini; ayigqobhoze
iifestile ezininzi, ayifulele ngemisedare, ayiqabe ngembola!

15Ùnobukumkani na, xa ushiyisela ngokwakha ngemisedare? Uyihlo ubengadli, asele,
enze okusesikweni nobulungisa, yini na, kwaza kwalunga kuye?

16Ubeligweba ityala losizana nolihlwempu; kwaza kwalunga. Asikuko na oko
ukundazi? utsho uYehova.

17Ngokuba akabheke ntweni amehlo akho nentliziyo yakho, kuphela akwinzuzo
yakho nakwigazi labamsulwa, ukuze liphalazwe; asekucudiseni nasekuvikiveni, ukuba
wenze oko.

18Ngako oko utsho uYehova ngoYehoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda,
ukuthi, Àbayi kummbambazelela, besithi, Yoo, mnakwethu! yoo, dade wethu! Àbayi
kummbambazelela, besithi, Yoo, nkosi! Yoo, ndili yakhe!

19Úya kungcwatywa ngokungcwatywa kwe-esile, akrwiqilizwe, alahlwe kude
namasango aseYerusalem.

20Nyuka eLebhanon, ukhale; naseBhashan khupha izwi lakho, ukhale eHabharim;
ngokuba zaphukile zonke izithandane zakho.

21Ndathetha nawe uchulumachile; wathi wena, Andiyi kuva. Yindlela yakho leyo
kwasebuncinaneni bakho, ukuba ungaliphulaphuli ilizwi lam.

22Umoya uya kubadla bonke abalusi bakho, zithinjwe izithandane zakho; wandule
ukudana, inene, uve ihlazo, ngenxa yezinto zakho ezimbi zonke.

23Wena uhleliyo eLebhanon, uyakhelayo emisedareni indlu yakho, hayi ukugcuma
kwakho ekufikelweni kwakho yinimba, kukuzibhijabhija, njengozalayo.

24Ndihleli nje, utsho uYehova, ukuba uKoniyahu unyana kaYehoyakim, ukumkani
wakwaYuda, ebengumsesane, wokutywina esandleni sam, sokunene, bendiya
kumncothula nakhona;

25ndikunikéle esandleni sabawufunayo umphefumlo wakho, nasesandleni sabo
ùboyikayo, nasesandleni sikaNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli,
nasesandleni samaKaledi.

26Ndonijulela kwelinye ilizwe, wena nonyoko owakuzalayo, apho naningazalelwanga
khona; nifele khona.

27Ke lona ilizwe, abaya kuphakamisela umphefumlo wabo kulo, ukuba babuyèle kulo,
abasayi kubuyela kulo.

28Lo mfo uKoniyahu ngumphanda odelekileyo, oza kuhlekezwa na? Uyimpahla
engananziweyo na? Kungandawoni na ukuba bajulelwe, yena nembewu yakhe,
baphoswe ezweni abangalaziyo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Lizwe, lizwe, lizwe, líve ilizwi likaYehova!

30Utsho uYehova ukuthi, Lo mfo mbaleleni ekuthini akanabantwana, yindoda engenampumelelo emihleni yayo; ngokuba akayi kuba nampumelelo umntu wasembewini yakhe, ohlala etroneni kaDavide, esalawula kwaYuda.

UYeremiya 23

UYehova uya kumisa abaphathi abafanelekileyo

1Yeha ke, abalusi abatshabalalisa bachithachithe umhlambi wedlelo lam!

2utsho uYehova, Ngako oko utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ngabalusi abo balúsa abantu bam, ukuthi, Niwuchithachithile umhlambi wam, nawubhebhetha, anawuvelela; yabonani, ndiya kunivelela ngenxa yobubi beentlondi zenu; utsho uYehova.

3Ndiya kuwabutha mna amasalela omhlambi wam emazweni onke endawagxothela kuwo, ndiwabuyisele emakriweni awo, aqhame, ande;

4ndiwamisele abalusi bawaluse, angabi soyika, angaqhiphuki umbilini, kungabikho ulahlekayo; utsho uYehova.

5Yabonani, iyeza imihla, utsho uYehova, endiya kummisela uDavide iHlumelo elililungisa, libe nguKumkani ongukumkani, enze yena ngengqiqo, enze okusesikweni nobulungisa ehlabathini.

6Ngemihla yakhe úya kusindiswa uYuda, uSirayeli ahlale ekholosile; negama lakhe, aya kubizwa ngalo, leli lokuba, UYehova-ububulungisa-bethu.

7Ngako oko, yabonani, iyeza imihla, utsho uYehova, abangasayi kuba sathi, Ehleli nje uYehova, owanyusa oonyana bakaSirayeli ezweni lamaYiputa;

8baya kuthi, Ehleli nje uYehova, owayinyusayo, owayizisayo imbewu yendlu yakwaSirayeli, ivela ezweni lasentla, nasemazweni onke endabagxothela kuwo; bahlale emhlabeni wabo.

Ukukhalimela abaprofeti abaxokayo

9Ngokusingisele kubaprofeti: Yaphukile intliziyo yam phakathi kwam, athe fehlefehle onke amathambo am. Ndisuke ndaba njengendoda enxilayo, njengomfo oweyiswe yiwayini; ngenxa kaYehova, nangenxa yamazwi akhe angcwele.

10Ngokuba ilizwe lizele ngabakrexezi, ngokuba ngenxa yentshwabulo ilizwe lenza isijwili; omile amakriwa entlango; ùsuke wambi umkhondo wabo, ubugorha babo abulunganga.

11Ngokuba umprofeti kwanombingeleli ngabenzi bobubi; ndizifumene nasendlwini yam izinto zabo ezimbi; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ngako oko indlela yabo kubo iya kuba njengeendawo ezibuthelezi esithokothokweni; baya kuqhutywa, bawe khona; ngokuba ndibazisela ububi, umnyaka wokuvelelwa kwabo; utsho uYehova.

13Kubaprofeti bakwaSamari ndibone ubufedelele; baprofeta ngoBhahali, belahlekisa abantu bam amaSirayeli.

14Ke kubaprofeti baseYerusalem ndiboné into ebanga amanwele: ukukrexeza, nokuhamba ebuxokini, bomeleze izandla zabenzi bobubi, kungabuyi mntu ebubini bakhe. Bonke bephela banjengeSodom kum, nabemi bakhona banjengeGomora.

15Ngako oko utsho uYehova wemikhosi, ngokusingisele kubaprofeti, ukuthi, Yabonani, ndobadlisa umhlonyane, ndibaseze inyongo; ngokuba kubaprofeti baseYerusalem kuphuma okungendawo, kuye kulo lonke ilizwe.

16Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Musani ukuwaphulaphula amazwi abaprofeti abaniprofetelayo; banenzela into engento, bathetha umbono wentliziyo yabo, ongaphumiyo emlonyeni kaYehova.

17Bamana ukuthi kwabandigibayo, UYehova uthethile, niya kuba noxolo; nakubo bonke abahambayo ngobungqola beentliziyo zabo bathi, Aniyi kuhlelwa bubi.

18Ewe, ngubani na kubo ome elucweyweni lukaYehova, walibona waliva ilizwi lakhe? Ngubani na olibzele indlebe ilizwi lam, waliva?

19Yabonani, umoya ovuthuzayo kaYehova, úphume ubushushu, umoya ovuthuzayo osisaqhwithi, uya kuqhwithela entlokweni yabangendawo.

20Awuyi kubuya umsindo kaYehova, ade awenze, ade ayimise iminkqangiyelo yentliziyo yakhe; ekupheleni kwemihla nòkugqala nikuqonde oko.

21Andibathumanga abaprofeti abo, kugidimé bona; andithethanga kubo, kanti kuprofeté bona.

22Ukuba bebemi elucweyweni lwam, bange bevakalisé amazwi am kubantu bam, bababuyisa endleleni yabo embi, nasebubini beentlondi zabo.

23NdinguThixo wakufuphi na? utsho uYehova, ndingabi nguThixo wakude na?

24Wósithela na umntu ezintsithelweni, ndingamboni na? utsho uYehova. Àndizalise amazulu nehlabathi na mna? utsho uYehova.

25Ndikuvile abakuthethayo abaprofeti, abaprofeta ubuxoki egameni lam, besithi, Ndiphuphile, ndiphuphile.

26Koda kube nini na kuyilé nto entliziyweni yabaprofeti abaprofeta ubuxoki, abaprofeti benkohliso yentliziyo yabo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Bacinga ngokubalibazisa na abantu bam, balilibale igama lam ngamaphupha abo, abawalawulayo elowo kummelwane wakhe, njengoko ooyise balilibalayo igama lam ngoBhahali?

28Umprofeti onephupha makalawule iphupha; onelizwi lam makathethe ilizwi lam enyanisile. Yintoni na enomququ nengqolowa? utsho uYehova.

29Alinjengomlilo na ilizwi lam? utsho uYehova; nanjengesando esihlekeza ingxondorha?

30Ngako oko yabonani, ndichasene nabaprofeti, utsho uYehova, abawebayo amazwi am elowo kummelwzne wakhe.

31Yabonani, ndichasene nabaprofeti, utsho uYehova, abathabatha ulwini lwabo, bathi, Útsho.

32Yabonani, ndichasene nabaprofeti abaprofeta amaphupha abuxoki, utsho uYehova, bawalawule, babalahlekise abantu bam ngobuxoki babo, nangokugasa kwabo, endingabawiselanga methetho, abangàbancediyo nokubanceda aba bantu: utsho uYehova.

33Ke kaloku, xa bathe bakubuza aba bantu, nokuba ngumprofeti, nokuba ngumbingeleli, besithi, Síyintoni na isihlabo sikaYehova? wòbaxelela into esiyiyo isihlabo, sithi, Ndiya kunilahla, utsho uYehova.

34Umprofeti, nombingeleli, nabantu, abaya kuthi, Isihlabo sikaYehova: ndiya kumvelela loo mntu nendlu yakhe.

35Yitshoni elowo kummelwane wakhe, elowo kumzalwana wakhe, ukuthi, Útheni na ukuphendula uYehova? útheni na ukuthetha uYehova?

36Ke sona isihlabo sikaYehova ze ningabi sasikhankanya; ngokuba liya kuba sisihlabo kwindoda ilizwi layo, niwajikile nje amazwi kaThixo ophilileyo, uYehova wemikhosi, uThixo wethu.

37Wòtsho kumprofeti ukuthi, Útheni na uYehova ukukuphendula? útheni na uYehova ukuthetha?

38Ke ukuba nithi, Isihlabo sikaYehova: ngako oko utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yokuthetha kwenu elo lizwi lokuthi, Isihlabo sikaYehova, kanti ndithumele kuni ukuthi, Ize ningatsho ukuthi, Isihlabo sikaYehova:

39ngako oko, yabonani, ndiya kunilibala mpela, ndinilahle ebusweni bam nina, nalo mzi ndaninikayo, nina nooyihlo;

40ndíbeke phezu kwenu isingcikivo esingunaphakade, ihlazo elingunaphakade, elingenakulityalwa.

UYeremiya 24

© 1975 Bible Society of South Africa.

Iingobozi ezimbini zamakhiwane

1UYehova wandibonisa, nanzo iingobozi ezimbini zamakhiwane, zibekiwe phambi kwetempile kaYehova; emveni kokuba uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli ebebathimbile ooYekoniya unyana kaYehoyakim, ukumkani wakwaYuda, nabathetheli bakwaYuda, nengcibi, nabakhandi, ebasusa eYerusalem, ebasa eBhabheli.

2Enye ingobozi ibinamakhiwane alungileyo kakhulu, enjengamakhiwane aziintlahlela ekuvuthweni; enye ingobozi ibinamakhiwane amabi kunene, angenakudliwa ngobubi bawo.

3Wathi ke uYehova kum, Ubona ntoni na, Yeremiya? Ndathi, Amakhiwane; amakhiwane alungileyo, elunge kunene; amabi emabi kunene, engenakudliwa ngobubi bawo.

4Kwafika kum ilizwi likaYehova, lisithi,

5Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Njengaloo makhiwane alungileyo, ndiya kwenjenjalo ukubakhangelela okulungileyo abathinjiweyo bakwaYuda endibagxothileyo kule ndawo, baya ezweni lamaKaledi.

6Ndiya kulimisela okulungileyo iliso lam kubo, ndibabuyisele kweli lizwe, ndibakhe, ndingabagungxuli; ndibatyale, ndingabanyothuli.

7Ndobanika intliziyo yokundazi, ukuba ndinguYehova, babe ngabantu bam, ndibe nguThixo wabo; ngokuba baya kubuyela kum nentliziyo yabo yonke.

8Ke, njengamakhiwane amabi angenakudliwa ngobubi, inene, utsho uYehova ukuthi, Ndiya kumenza abe njalo uZedekiya ukumkani wamaYuda, nabathetheli bakhe, namasalela aseYerusalem aseleyo kweli lizwe, nahleliyo ezweni lamaYiputa.

9Ndiya kubanikela kwizikumkani zonke zehlabathi, ukuba babe yinto yokunqakulisa, babe nobubi, babe sisingcikivo, nomzekeliso, nento yentsini neyokutshabhiswa ezindaweni zonke endibagxothela khona.

10Ndolithuma phakathi kwabo ikrele, nendlala, nendyikitya yokufa, bade bagqitywe, baphele emhlabeni endawunika bona nooyise.

UYeremiya 25

Ukongamela kweBhabheli phezu koYuda

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya ngokusingisele ebantwini bonke bakwaYuda, ngomnyaka wesiné kaYehoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, ongumnyaka wokuqala kaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli;

2awalithethayo uYeremiya umprofeti kubantu bonke bakwaYuda, nakubemi bonke baseYerusalem, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kuthabathela kumnyaka weshumi elinesithathu kaYosiya unyana ka-Amon,
ukumkani wakwaYuda, kuzise kule mini, le minyaka imashumi mabini anamithathu,
bekufika ilizwi likaYehova kum; bendithetha kuni, ndivuka kwakusasa ndithethe;
anivanga noko.

4UYehova wathumela kuni bonke abakhonzi bakhe abaprofeti, ebathuma evuka
kwakusasa; aniphulaphulanga noko, anizithobanga iindlebe zenu ukuba nive.

5Baye besithi, Khanibuye elowo endleleni yakhe embi, nasebubini beentlondi zenu;
nòhlala emhlabeni awaninikayo uYehova, nina nooyihlo, ngonaphakade
kanaphakade;

6ningalandeli thixo bambi, ningabakhonzi, ningaqubudi kubo, ningandiqumbisi
ngezenzo zezandla zenu, ukuze ndingenzi nto imbi kuni.

7Aniphulaphulanga kum, utsho uYehova; ukuze nindiqumbise ngezenzo zezandla
zenu, kuze kube kubi kuni.

8Ngako oko utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Ngenxa enokuba ningawevanga
amazwi am, yabonani,

9ndithumela ukuba ndiyithabathe yonke imizalwane yelasentla, utsho uYehova;
ndithumela kuNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, umkhonzi wam,
ndiyizisele phezu kweli lizwe, naphezu kwabemi balo, naphezu kwezi ntlanga zonke,
ngeenxa zonke; ndizisingele phantsi, ndizenze ummangaliso nomsondlo, neempanza
ezingunaphakade;

10ndoliphelisa phakathi kwazo izwi lemihlali nezwi lemivuyo, izwi lomyeni nezwi
lomtshakazi, izwi lokusila nokukhanya kwesibane.

11Eli lizwe lonke liya kubharha, kube senkangala; ezi ntlanga zimkhonze ukumkani
waseBhabheli iminyaka emashumi asixhenxe.

12Kuya kuthi ke, xa izalisekileyo iminyaka emashumi asixhenxe, ndimvelele ukumkani
waseBhabheli nolo luhlanga, ngenxa yobugwenxa babo; utsho uYehova. Nelizwe
lamaKaledi ndolenza kube senkangala ngonaphakade,

13ndilizisele elo lizwe onke amazwi am endawathetha ngalo: into yonke ebhaliweyo
kule ncwadi, ayiprofetileyo uYeremiya ngeentlanga zonke.

14Ngokuba ziya kuwakhonzisa nawo iintlanga ezininzi nookumkani abakhulu,
ndiwavuze ngokwemisebenzi yawo, nangokwezenzo zezandla zawo.

Indebe yewayini yomsindo kaThixo efanele ukuselwa ziintlanga

15Ngokuba utshilo kum uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Thabatha le ndebe
yewayini yobushushu esandleni sam, useze ngayo iintlanga zonke, endikuthumela
kuzo;

16zisèle, zihexe, zigeze, ngenxa yekrele endilithumela phakathi kwazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ndayithabatha ke indebe esandleni sikaYehova, ndaziseza zonke iintlanga,
awandithumela kuzo uYehova:

18iYerusalem, nemizi yakwaYuda, nookumkani bayo, nabathetheli bayo, ukuba
benziwe iimpanza, nommangaliso, nomsondlo, nentshabhiso, njengoko kunjalo
namhla;

19uFaro ukumkani waseYiputa, nabakhonzi bakhe, nabathetheli bakhe, nabantu
bakhe bonke;

20nomxukuxela wonke, nookumkani bonke belizwe lakwaUtse, nookumkani bonke
belizwe lamaFilisti, neAshkelon, neGaza, ne-Ekron, namasalela aseAshdode;

21uEdom, noMowabhi, noonyana baka-Amon;

22nookumkani bonke baseTire, nookumkani bonke baseTsidon, nookumkani bonke
besiqhithi esiphesheya kolwandle;

23uDedan, noTema, noBhizi, noonquthula-iinwele bonke;

24nookumkani bonke bama-Arabhi, nookumkani bonke bomxukuxela omiyo
entlango;

25nookumkani bonke bamaZimri, nookumkani bonke bamaElam, nookumkani bonke
bamaMedi;

26nookumkani bonke belasentla, abakufuphi nabakude, elowo nomzalwana wakhe,
nezikumkani zonke zehlabathi eziphezu komhlaba; asèle emva kwabo ukumkani
waseSheshaki.

27Ngoko ke wòthi kubo, Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Selani
ninxile, nihlanze, niwe, ningavuki, ngenxa yekrele endilithumela phakathi kwenu.

28Kothi, xa bathe àbavuma ukuyithabatha indebe esandleni sakho ukuba basele, uthi
kubo, Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Niya kusela ngenene.

29Ngokuba, yabonani, ndiqalela emzini obizwa ngegama lam, ukuhlisa ububi; ningába
msulwa nide nibe msulwa na ke nina? Aniyi kuba msulwa; ngokuba ikrele ndilibizela
bonke abemi behlabathi; utsho uYehova wemikhosi.

30Ke wena uze ubaprofetele loo mazwi onke, uthi kubo, UYehova uya kubharhula
phezulu, alikhuphe ilizwi lakhe ekhayeni lakhe eliyingcwele; úya kubharhula
alibharhulele ikriwa lakhe; uya kubahlabela amayeyeye, njengabaxovuli beediliya,
bonke abemi behlabathi.

31Ingxolo iya kufika esiphelweni sehlabathi, ngokuba uYehova ubambene
neentlanga; uya kugweba phakathi kwenyama yonke; abangendawo ubanikela
ekreleni; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Yabonani, ububi buya kuphuma eluhlangeni, buye eluhlangeni, umoya omkhulu ovuthuzayo uvuke esinqeni sehlabathi.

33Ababuleweyo nguYehova ngaloo mini, bathabathele ekupheleni kwehlabathi, bese ekupheleni kwehlabathi, bangambanjazelelwa, bangàhlanganiswa, bangàngcwatywa; baya kuba ngumgquba phezu komhlaba.

34Bhombolozani, balusi, nikhale; nizigalele ngothuthu, zingangamsha zomhlambi; ngokuba izalisekile imihla yenu yokuba nisikwe. Ndiya kuniphangalalisa, niwe njengesitya esinqwenelekayo;

35iphele intsabo kubalusi, nokusinda kwiingangamsha zomhlambi.

36Yivani ukukhala kwabalusi, nokubhomboloza kweengangamsha zomhlambi; ngokuba uYehova uyalibhuqa idlelo labo.

37Athe shwaka amakriwa oxolo, ngenxa yokuvutha komsindo kaYehova.

38Úlushiyile njengengonyama entsha udada lwakhe; ngokuba kuthe kwaba senkangala kulo ilizwe labo ngenxa yekrele elidlavulayo, nangenxa yokuvutha komsindo wakhe.

UYeremiya 26

Ukuchithwa kwetempile kuyaxelwa kwangaphambili; umngcipheko kaYeremiya

1Ekuqalekeni kobukumkani bukaYehoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, kwafika eli lizwi, liphuma kuYehova,

2lisithi, Utsho uYehova ukuthi, Yima entendelezweni yendlu kaYehova, uthethe kuyo yonke imizi yakwaYuda, eza kuqubuda endlwini kaYehova, onke amazwi endikuwisela umthetho wokuba uwathethe kubo; ungaphunguli zwi kuwo.

3Mhlawumbi baya kuva, babuye elowo endleleni yakhe embi, ndizohlwaye ngenxa yobubi endicinga ukubenza kubo, ngenxa yobubi beentlondi zabo.

4Uze uthi kubo, Utsho uYehova ukuthi, Ukuba nithe anandiphulaphula, nihambe ngomyalelo wam, endiwubeke phambi kwenu,

5anawaphulaphula amazwi abakhonzi bam abaprofeti, endibathumela kuni, ndibathuma ndivuka kusasa, anaweva:

6ndoyenza le ndlu ibe njengeShilo, ndiwenze lo mzi ube yinto yokutshabhiswa ezintlangeni zonke zehlabathi.

7Babemva ke uYeremiya ababingeleli, nabaprofeti, nabantu bonke, ethetha la mazwi endlwini kaYehova.

8Ke kaloku, ekugqibeni kukaYeremiya konke abewiselwe umthetho nguYehova ukuba akuthethe kubantu bonke, bambamba ababingeleli, nabaprofeti, nabantu bonke, bathi, Inene, ùya kufa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Yini na ukuba uprofete egameni likaYehova, usithi, Le ndlu iya kuba njengeShilo, lo
mzi ube linxuwa, ungabi nabemi? Babizelwa ndawonye bonke abantu kuYeremiya
endlwini kaYehova.

10Baweva abathetheli bakwaYuda la mazwi, benyuka bemka endlwini yokumkani,
baya endlwini kaYehova, bahlala phantsi ekungeneni kwesango elitsha likaYehova.

11Ababingeleli nabaprofeti bathetha kubathetheli nakubantu bonke, besithi, Le
ndoda ifanelwe sisigwebo sokufa, ngokuba iprofete ngalo mzi, njengoko nikuvileyo
ngeendlebe zenu.

12Wathetha uYeremiya kubathetheli bonke nakubantu bonke, esithi, UYehova
undithume ukuba ndiprofete ngale ndlu nangalo mzi onke amazwi eniwavileyo.

13Kaloku ke, lungisani iindlela zenu neentlondi zenu, niliphulaphule ilizwi likaYehova
uThixo wenu; wozohlwaya uYehova ngenxa yobubi abuthethileyo ngani.

14Ke mna, yabonani, ndisesandleni senu; yenzani kum njengoko kulungileyo, kuthe
tye, emehlweni enu.

15Kodwa ke yazini nazi oku: ukuba nithe nandibulala, inene, nobeka igazi elimsulwa
phezu kwenu, naphezu kwalo mzi, naphezu kwabemi bawo; ngokuba, inyaniso,
uYehova undithumele kuni, ukuba ndiwathethe la mazwi onke ezindlebeni zenu.

16Bathi ke abathetheli nabantu bonke kubabingeleli nakubaprofeti, Le ndoda
ayifanelwe sisigwebo sokufa, ngokuba ithethe kuthi egameni likaYehova uThixo
wethu.

17Kwesuka kwema amadoda kumadoda amakhulu elo zwe, athetha kulo lonke
ibandla labantu, athi,

18UMika waseMoreshete waprofeta ngemihla kaHezekiya ukumkani wakwaYuda,
wathetha kubantu bonke bakwaYuda, esithi, Utsho uYehova wemikhosi ukuthi,
IZiyon iya kulinywa ibe yintsimi, neYerusalem ibe yimiwewe, nentaba yendlu le ibe
yimimango enehlathi.

19Bambulala na ke uHezekiya ukumkani wakwaYuda namaYuda onke? Àkoyikanga
uYehova na, wambongoza uYehova, waza uYehova wazohlwaya ngenxa yobubi
abebuthethile ngabo? Thina ke, sènze na ububi obukhulu kwimiphefumlo yethu?

20Kwaye kananjalo kuprofeta egameni likaYehova indoda engu-Uriya unyana
kaShemaya, waseKiriyati-yeharim; waprofeta ngalo mzi nangeli lizwe, ngokwamazwi
onke kaYeremiya.

21Waweva ke ukumkani uYehoyakim, namagorha akhe onke, nabathetheli bonke,
amazwi akhe; ukumkani wafuna ukumbulala. Weva u-Uriya, woyika, wasaba waya
eYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Ukumkani uYehoyakim wathumela amadoda eYiputa, uElinatan unyana ka-Akebhore, enamadoda athile, baya eYiputa.

23Bamrhola u-Uriya eYiputa, bamzisa kukumkani uYehoyakim; wambulala ngekrele, wasiphosa isidumbu sakhe emangcwabeni oluntu.

24Kodwa isandla sika-Ahikam unyana kaShafan besinoYeremiya, ukuba angànikelwa esandleni sabantu ukuba abulawe.

UYeremiya 27

Iintlanga zicetyiswa ukuba zizithobe kwiBhabheli

1Ekuqalekeni kobukumkani bukaZedekiya unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, kwafika eli lizwi kuYeremiya,

2liphuma kuYehova, lisithi: Utshilo uYehova kum ukuthi, Zenzele izitropu needyokhwe, uzifake entanyeni yakho.

3Wòzithumela kukumkani wakwaEdom, nakukumkani wakwaMowabhi, nakukumkani woonyana baka-Amon, nakukumkani waseTire, nakukumkani waseTsidon, ngesandla sabathunywa abeze eYerusalem kuZedekiya ukumkani wakwaYuda;

4ubawisele umthetho wokuba bathi ezinkosini zabo, Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yitshoni ezinkosini zenu ukuthi,

5Mna ndilenzile ihlabathi, umntu lo, neenkomo eziphezu kwehlabathi, ngamandla am amakhulu, nangengalo yam eyolukileyo; ndalinika lowo kuthe tye emehlweni am ukuba ndilinike yena.

6Kaloku ke mna ndiwanikele onke la mazwe esandleni sikaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, umkhonzi wam, kwanamarhamncwa asendle ndiwanikele kuye ukuba amkhonze.

7Ziya kumkhonza zonke iintlanga, yena, nonyana wakhe, nonyana wonyana wakhe, kude kufike ixesha lelakhe ilizwe; zimkhonze ke naye iintlanga ezininzi nookumkani abakhulu.

8Kuya kuthi, uhlanga nobukumkani obungayi kumhonza uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, obungayifakiyo intamo yabo edyokhweni yokumkani waseBhabheli, ndiluvèlele olo luhlanga ngekrele, nangendlala, nangendyikitya yokufa, utsho uYehova, ndide ndibagqibe ngesandla sakhe.

9Musani ke nina ukubaphulaphula abaprofeti benu, nabavumisi benu, namaphupha enu, namatola enu, nabakhafuli benu; bona abo bàthi kuni, Aniyi kumkhonza ukumkani waseBhabheli.

10Ngokuba baniprofetela ubuxoki, ukuze ndinikhwelelise kude nomhlaba wenu, ndinigxothe, nitshabalale.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ke lona uhlanga oluya kuyingenisa intamo yalo edyokhweni yokumkani waseBhabheli, lumkhonze, ndoluyeka emhlabeni walo, luwusebenze, luhlale kuwo; utsho uYehova.

UYuda ucetyiswa ukuka azithobe kwiBhabheli

12NakuZedekiya ukumkani wakwaYuda ndathetha ngokwaloo mazwi onke, ndathi, Zingeniseni iintamo zenu edyokhweni yokumkani waseBhabheli, nikhonze yena nabantu bakhe, niphile.

13Yini na ukuba ufe, wena nabantu bakho, likrele, nayindlala, nayindyikitya yokufa, njengoko akuthethileyo uYehova ngohlanga olungayi kumkhonza ukumkani waseBhabheli?

14Musani ukuwaphulaphula amazwi abaprofeti abathetha kuni, besithi, Aniyi kumkhonza ukumkani waseBhabheli; ngokuba baniprofetela ubuxoki.

15Ngokuba andibathumanga, utsho uYehova; bona baprofeta ubuxoki egameni lam, ukuze ndinigxothe, nitshabalale, nina nabaprofeti abo baniprofetelayo.

16Ndathetha kubabingeleli nakwaba bantu bonke, ndisithi, Utshilo uYehova ukuthi, Musani ukuwaphulaphula amazwi abaprofeti benu abaniprofetelayo, besithi, Yabona, impahla yendlu kaYehova iya kubehle ibuyiswe eBhabheli; ngokuba baniprofetela ubuxoki.

17Musani ukubaphulaphula; mkhonzeni ukumkani waseBhabheli, niphile; yini na ukuba ube linxuwa lo mzi?

18Ke ukuba bangabaprofeti, ke ukuba likho ilizwi likaYehova kubo, mabambongoze uYehova wemikhosi, ukuze impahla eseleyo endlwini kaYehova, nasendlwini yokumkani wakwaYuda, naseYerusalem, ingayi eBhabheli.

19Ngokuba utsho uYehova wemikhosi, ngokusingisele kuzo iintsika, nangalo ulwandle, nangazo iinqwelwana, nangawo amasalela empahla eseleyo kuló mzi,

20engathatyathwanga nguNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, ekumfuduseni kwakhe uYekoniya, unyana kaYehoyakim, ukumkani wakwaYuda, eYerusalem, ukumsa eBhabheli, enabanumzana bonke bakwaYuda neYerusalem;

21ewe, utsho uYehova wemikhosi, uThixo wamaSirayeli, ngempahla eseleyo endlwini kaYehova, nasendlwini yokumkani wakwaYuda, naseYerusalem, ukuthi,

22Iya kusiwa eBhabheli ibe khona, ide ibe yimini yokuyivelela kwam, utsho uYehova; ndiyìnyuse, ndiyibuyìsele kule ndawo.

UYeremiya 28

Isiprofeto sobuxoki sikaHananiya nokwamhlelayo

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku, kwathi ngaloo mnyaka, ekuqalekeni kobukumkani bukaZedekiya,
ukumkani wakwaYuda, ngomnyaka wesiné, ngenyanga yesihlanu, wathetha kum
uHananiya unyana ka-Azure, umprofeti waseGibheyon, endlwini kaYehova,
emehlweni ababingeleli nabantu bonke, esithi,

2Utshilo uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ndiyayaphula idyokhwe
yokumkani waseBhabheli.

3Kwangale minyaka mibini izalisekileyo, ndiya kuyibuyisela kule ndawo yonke
impahla yendlu kaYehova, awayithabathayo kuloo ndawo uNebhukadenetsare
ukumkani waseBhabheli, wayisa eBhabheli.

4Ndiya kubabuyisela kule ndawo oYekoniya unyana kaYehoyakim, ukumkani
wakwaYuda, nabafudusiweyo bonke bakwaYuda, abayé eBhabheli, utsho uYehova;
ngokuba ndiya kuyaphula idyokhwe yokumkani waseBhabheli.

5Wathi uYeremiya umprofeti kuHananiya umprofeti, emehlweni ababingeleli,
nasemehlweni abantu bonke abemiyo endlwini kaYehova:

6wathi uYeremiya umprofeti, Amen, makenjenjalo uYehova. Makawamise uYehova
amazwi akho owaprofetele ukuba ayibuyise impahla yendlu kaYehova,
nabafudusiweyo bonke eBhabheli, beze kule ndawo.

7Khawuve eli lizwi ndilithethayo ezindlebeni zakho, nasezindlebeni zabantu bonke.

8Abaprofeti ababengaphambili kum nangaphambili kwakho kwasephakadeni,
báprofeta imfazwe, nobubi, nendyikitya yokufa, besingisele kumazwe amaninzi
nangezikumkani ezikhulu.

9Umprofeti lowo ùprofeta uxolo, uya kwaziwa ukuba ungumprofeti othunyiweyo
nguYehova okunene, ekwenzekeni kwelo lizwi lomprofeti lowo.

10Ke kaloku uHananiya umprofeti wayithabatha idyokhwe entanyeni kaYeremiya
umprofeti, wayaphula.

11Wathetha uHananiya emehlweni abantu bonke, esithi, Utsho uYehova ukuthi,
Ndiya kwenjenje ukuyaphula idyokhwe kaNebhukadenetsare ukumkani
waseBhabheli, ngale minyaka mibini iza kuzaliseka, ezintanyeni zeentlanga zonke.
Wemka ke uYeremiya umprofeti, wahamba indlela yakhe.

12Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya emva kokuyaphula kukaHananiya umprofeti
idyokhwe entanyeni kaYeremiya umprofeti, lisithi,

13Yiya uthethe kuHananiya, uthi, Utsho uYehova ukuthi, Ùzaphule iidyokhwe zomthi,
ke yenza iidyokhwe zesinyithi esikhundleni sazo.

14Ngokuba utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ndibeke idyokhwe
yesinyithi ezintanyeni zezo ntlanga zonke, ukuze zimkhonze uNebhukadenetsare

© 1975 Bible Society of South Africa.

ukumkani waseBhabheli; ziya kumkhonza ke; kwanamaramncwa asendle ndiwanikele kuye.

15Wathi uYeremiya umprofeti kuHananiya umprofeti, Khawuve, Hananiya; uYehova akakuthumanga; wena aba bantu ubakholosisa ngobuxoki.

16Ngako oko, utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndiya kukugxotha ebusweni bomhlaba; uya kufa nonyakanje, ngokuba uthethé elokukreqa kuYehova.

17Wafa ke uHananiya umprofeti ngaloo mnyaka, ngenyanga yesixhenxe.

UYeremiya 29

Incwadi kaYeremiya kubathinjwa eBhabheli

1Ngawo la amazwi encwadi awayithumelayo uYeremiya umprofeti, eseYerusalem, kumasalela amadoda amakhulu afudusiweyo, nakubabingeleli, nakubaprofeti, nakubantu bonke, awayebafudusile eYerusalem uNebhukadenetsare, wabása eBhabheli

2(emva kokuphuma kukaYekoniya ukumkani, nenkosikazi, namagosa, nabathetheli bakwaYuda neYerusalem, neengcibi, nabakhandi eYerusalem);

3awayithumelayongesandla sikaElasa unyana kaShafan, noGemariya unyana kaHilekiya (awabathumelayo uZedekiya ukumkani wakwaYuda kuNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli eBhabheli), isithi:

4Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, kwabafudusiweyo bonke, endibafuduse eYerusalem, ukuba basiwe eBhabheli, ukuthi,

5Yakhani izindlu, nihlale kuzo; tyalani imiyezo, nidle iziqhamo zayo.

6Zekani abafazi, nizale oonyana neentombi, nibazekele abafazi oonyana benu, iintombi zenu nizendisele kumadoda, zizale oonyana neentombi, nande khona, ninganciphi.

7Nize nizamele uxolo lomzi endinifudusele kuwo, niwuthandazele kuYehova; ngokuba niya kuba noxolo ngoxolo lwawo.

8Ngokuba utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Mabanganilukuhli abaprofeti benu abaphakathi kwenu, kwanabavumisi benu, ningawaphulaphuli amaphupha enu eniwaphuphayo.

9Ngokuba baniprofetela ubuxoki egameni lam; andibathumanga; utsho uYehova.

10Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Xenikweni iBhabheli izaliselwe iminyaka emashumi asixhenxe, ndiya kunivelela, ndilimise kuni ilizwi lam elilungileyo, lokunibuyisela kule ndawo.

11Ngokuba ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani, utsho uYehova: iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi; ukuba ndininikè ikamva nethemba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Niya kundinqula, nize nithandaze kum, ndiniphulaphule.

13Niya kundifuna, nindifumane, xa nithe nandifuna ngentliziyo yenu yonke;

14ndifumaneke kuni; utsho uYehova. Ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kwenu, ndinibuthe ezintlangeni zonke, nasezindaweni zonke endanigxothela kuzo, utsho uYehova;

15ndinibuyìsele endaweni endanifudusa kuyo, xa nithi, UYehova usivelisele abaprofeti eBhabheli.

16Inene, utsho uYehova ngokusingisele kukumkani ohleli etroneni kaDavide, nakubantu bonke abahleli kulo mzi, abazalwana benu, abangaphumanga baye nani ekufudusweni:

17utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Yabonani, ndithuma phakathi kwabo ikrele, nendlala, nendyikitya yokufa, ndibenze babe njengamakhiwane akruqulayo, angenakudliwa ngokuba mabi kwawo.

18Ndiya kubasukela ngekrele nangendlala nangendyikitya yokufa, ndibanikele ukuba babe yinto yokunqakulisa kwizikumkani zonke zehlabathi, babe yintshwabulo, nommangaliso, nomsondlo, nesingcikivo, ezintlangeni zonke endabagxothela kuzo;

19ngethuba lokuba bengawaphulaphulanga amazwi am, utsho uYehova, endawathumela kuni ngabakhonzi bam abaprofeti, ndibathuma ndivuka kusasa; anivanga noko; utsho uYehova.

Abapofeti abathile abaxokáyo nokwabahlelayo

20Liveni ke ilizwi likaYehova, nina nonke bafudusiweyo, ndabasusayo eYerusalem, baya eBhabheli.

21Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ngokusingisele kuAhabhi unyana kaKolaya, nakuZedekiya unyana kaMahaseya, abaniprofetela ubuxoki egameni lam, ukuthi, Yabonani, ndibanikela esandleni sikaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, ababulale emehlweni enu;

22kuzekelwe kubo ukutshabhisa ngabafudusiweyo bonke bakwaYuda abaseBhabheli, kuthiwe, UYehova makakwenze ube njengoZedekiya, nanjengoAhabhi, awabachanabayo emlilweni ukumkani waseBhabheli;

23ngenxa yokuba benzé ubudenge kwaSirayeli, babakrexeza abafazi babamelwane babo, bathetha amazwi obuxoki egameni lam, endingabawiselanga methetho ngawo. Ndiyazi mna, ndilingqina, utsho uYehova.

24Ngokusingisele kuShemaya waseNehelam wòthetha, uthi,

25Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ngenxa enokuba wena uthumele incwadi egameni lakho kubantu bonke abaseYerusalem, nakuZefaniya unyana kaMahaseya, umbingeleli, nakubabingeleli bonke, usithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

26UYehova ukwenzé umbingeleli esikhundleni sikaYoyada umbingeleli, ukuze kubekho abaveleli endlwini kaYehova ngenxa kabani wonke obhudayo, ozenza umprofeti, ukuba umfake esitokisini nasentanjeni.

27Yini na ngoku, ukuba ungamkhalimeli uYeremiya waseAnatoti, ozenza umprofeti kuni?

28Ngokuba ngenxa yoko ùthumele kuthi eBhabheli, esithi, Inde le nto; yakhani izindlu, nihlale kuzo; tyalani imiyezo, nidle iziqhamo zayo.

29UZefaniya umbingeleli wayilesa loo ncwadi ezindlebeni zikaYeremiya umprofeti.

30Kwafika ke ilizwi likaYehova kuYeremiya, lisithi.

31Thumela kubo bonke abafudusiweyo, uthi, Utsho uYehova ngokusingisele kuShemaya waseNehelam, ukuthi, Ngenxa enokuba uShemaya eniprofetèle, ndingamthumanga mna, wanikholosisa ngobuxoki:

32ngako oko utsho uYehova ukuthi, Yabonani, ndiyamvelela uShemaya waseNehelam nembewu yakhe; akayi kuba namntu uhleliyo phakathi kwaba bantu; angayi kubona okulungileyo endikwenzela abantu bam, utsho uYehova; ngokuba ethethè elokukreqa kuYehova.

UYeremiya 30

Ukubuyiswa okuzayo kukaSirayeli noYuda

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, lalisithi,

2Utsho uYehova, uThixo wakwaSirayeli, ukuthi, Wabhale encwadini onke amazwi endiwathethileyo kuwe;

3ngokuba, uyabona, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kukubuyisa ukuthinjwa kwabantu bam amaSirayeli namaYuda, utsho uYehova; ndibabuyìsele ezweni endalinika ooyise, ukuba balìme.

4Ngawo la ke amazwi, awawathethayo uYehova ngokusingisele kumaSirayeli, nakumaYuda.

5Utshilo ke uYehova ukuthi, Sìvé izwi eligubhisayo; lelinkwantyisayo, asililo eloxolo.

6Khanibuzise nikhangele, ukuba indoda yakha yamitha na? Yini na ukuba ndibone abafo bonke, izandla zabo zisemanqeni abo njengomfazi ozalayo, ubuso bonke busuke baluthuthu?

7Athi ke ukuba mkhulu loo mhla! Akukho unjengawo; lixesha lembandezelo kuYakobi; ke úya kusindiswa kuyo.

8Kothi ke ngaloo mhla, utsho uYehova wemikhosi, ndiyaphule idyokhwe yakhe entanyeni yakho, ndiziqhawule izitropu zakho, bangabi samkhonzisa abasemzini;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9bakhònze uYehova uThixo wabo, noDavide ukumkani wabo, endiya kubavelisela yena.

10Ke wena musa ukoyika, mkhonzi wam Yakobi, utsho uYehova, ungaqhiphuki umbilini, Sirayeli; ngokuba, uyabona, ndiya kukusindisa usekude, nembewu yakho ezweni ethinjelwe kulo, abuye uYakobi, azole, onwabe, angagubhi.

11Ngokuba ndinawe, utsho uYehova, ukuze ndikusindise; ngokuba ndiya kuzigqibela kuphele iintlanga zonke endakuphangalalisela kuzo; kodwa andiyi kukugqibela kuphele; ndokuthethisa ngokusesikweni, ndingàthi umsulwa kwakanye.

12Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Ukwaphuka kwakho asikuko nokuba kuyabulala, libuhlungu inxeba lakho.

13Akukho ugweba ityala lakho, upholisa inxeba; akunaye okubophayo.

14Zonke izithandane zakho zikulibele, azikukhathalele; ngokuba ndikubethile ngobetho lotshaba, ngentethiso enobujorha, ngenxa yobuninzi bobugwenxa bakho, ngenxa yokuba zininzi izono zakho.

15Ukhalelani na ngenxa yokwaphuka kwakho? Asikuko nokuba ùyabulala umvandedwa wakho! Ndizenzile ezo nto kuwe ngenxa yobuninzi bobugwenxa bakho, nangenxa yokuba zininzi izono zakho.

16Ngako oko bonke abakudlayo baya kudliwa, nababandezeli bakho bonke bephela baya kuthinjwa, nabadywidi bakho badywidwe, nabaphangi bakho bonke ndibanìkele ekuphangweni.

17Ngokuba ndiya kukubopha, ndiyipholise imivumbo yakho, utsho uYehova; ngokokuba bathi ùnguGxothiwe, ùyiZiyon engakhathalelwe bani.

18Utsho uYehova ukuthi, Yabona ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kweentente zikaYakobi, ndibe nemfesane ngenxa yeminquba yakhe; umzi wakhèlwe emmangweni wawo, luhlalwe uxande olude ngokwesiko lalo.

19Wóphuma kuzo umbulelo nezwi labaqambayo; ndibandise, bangabi mbalwa; ndibazukise, banganciphi.

20Oonyana babo boba njengokwamandulo, lizimaseke phambi kwam ibandla labo, ndibavelele bonke abaxini babo.

21Ingangamsha yabo iya kuvela kubo, umlawuli wabo aphume kwaphakathi kwabo; ndimsondeze, afike kum, ngokuba ngubani na omele intliziyo yakhe, ukuba afike kum? utsho uYehova.

22Niya kuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wenu.

23Nango umoya kaYehova ovuthuzayo; nabo buphuma ubushushu; umoya ovuthuzayo, okhukulisayo, uya kuqhwithela entlokweni yabangendawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Akuyi kubuya ukuvutha komsindo kaYehova, ade ayenze, ade ayimise iminkqangiyelo yentliziyo yakhe; ekupheleni kwemihla niya kukuqonda oko.

UYeremiya 31

Umnqophiso omtsha

1Ngelo xesha, utsho uYehova, ndiya kuba nguThixo kwimizalwane yonke yakwaSirayeli, yona ibe ngabantu bam.

2Utsho uYehova ukuthi, Bàbabalwa entlango abantu abasindileyo ekreleni; ndoya ndiwaphumze amaSirayeli.

3UYehova ubonakele kum kwakude, wathi, Ndikuthandile ngothando olungunaphakade; ngenxa yoko ndikolúlele inceba.

4Ndiya kubuya ndikwakhe, wakheke, ntombi inguSirayeli; uya kubuya uzihombise, uphathe iingqongqo zakho, uphume uye ekungqungqeni kwabangqungqayo.

5Uya kubuya utyale izidiliya ezintabeni zakwaSamari, batyale abatyali, bazidle ngokwabo.

6Ngokuba kuya kubakho umhla, abaya kumemeza ngawo abalindi ezintabeni zakwaEfrayim, besithi, Sukani nime, sinyuke siye eZiyon kuYehova, uThixo wethu.

7Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Memelelani ngoYakobi, nivuye, nitsholoze ngentloko yeentlanga; vakalisani, dumisani, yithini, Basindise, Yehova, abantu bakho, amasalela akwaSirayeli.

8Yabona, ndiyabazìsa bevela ezweni lasentla, ndibabuthe eziphelweni zehlabathi; beneemfama neziqhwala, abamithiyo nabazalayo kunye; besisikhungu esikhulu, bebuyela apha.

9Baya kuza belila, ndibakhokele betarhuzisa; ndibàse emilanjeni yamanzi ngendlela ethe tye, bengakhubeki kuyo; kuba ndinguyise kuSirayeli, uEfrayim ngowamazibulo am.

10Liveni ilizwi likaYehova, zintlanga, nilixele eziqithini ezikude, nithi, Umchithachithi kaSirayeli uya kumbutha, amgcine njengomalusi egcina umhlambi wakhe.

11Ngokuba uYehova ummisele wamkhulula uYakobi; umhlawulele wamkhulula esandleni sowomeleleyo kunaye.

12Baya kuza bamemelele ezindulini zaseZiyon, basinge kwizinto ezilungileyo zikaYehova, engqoloweni, nasewayinini entsha, naseolini, nasemgqekwini weegusha neenkomo; imiphefumlo yabo ibe njengomyezo onyelwa ngamanzi, uvunde; bangabi saphinda bathé amandla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Iya kwandula intombi ivuye ekungqungqeni, namadodana namadoda amakhulu kunye; ndisenze isijwili sabo sibe yimihlali, ndibathuthuzele, ndibavuyise, bangabi nasingqala.

14Ndowuseza uhluthe umphefumlo wababingeleli ngamafutha, bahluthe abantu bam zizinto zam ezilungileyo; utsho uYehova.

15Utsho uYehova ukuthi, Kuvakele izwi eRama, isimema, isililo esikrakra: uRakeli elilela abantwana bakhe, engavumi ukuthuthuzeleka, ngenxa yabantwana bakhe, ngokuba bengasekho.

16Utsho uYehova ukuthi, Lithintele ilizwi lakho, lingalili, namehlo akho angabi nanyembezi; ngokuba únomvuzo umsebenzi wakho, utsho uYehova; baya kubuya ezweni lotshaba.

17Linethemba ikamva lakho, utsho uYehova; oonyana bakho baya kubuyela emdeni wabo.

18Ndimvile ngenene uEfrayim, ehlunguzela intloko, esithi, Ùndiqeqeshile ndaqeqesheka njengethole elingekathambi; ndíbuyise, ndibuye; ngokuba wena, Yehova, unguThixo wam.

19Ngokuba emva kokukutshikilela kwam ndazohlwaya, emva kokwaziswa kwam ndabetha ethangéni lam; ndadana, ndeva ihlazo, ngokuba ndithwele isingcikivo sobuncinane bam.

20Ngunyana onqabileyo na kum uEfrayim? Ngumntwana wokuteketiswa na, le nto ndithi, ndakuthetha ngaye ndimchasile, ndisuke ndimkhumbule ngakumbi? Ngenxa yoko izibilini zam ziyasika ngaye; inene, ndiya kuba nemfesane kuye, utsho uYehova.

21Zimiseleni izalathiso, zigxumekeleni izibonda; yibhekise intliziyo yakho emendweni, endleleni owahamba ngayo. Buya, ntombi inguSirayeli, buyela emizini yakowenu.

22Kunini na unxaxhanxaxha, ntombi iphambayo? ngokuba uYehova udala into entsha ehlabathini: inkazana iya kuphahla indoda.

23Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Basaya kulithetha eli lizwi ezweni lakwaYuda nasemizini yakhona, ekukubuyiseni kwam ukuthinjwa kwabo, lokuthi, UYehova makakusikelele, khaya lobulungisa, ntaba yobungcwele.

24Aya kuma khona amaYuda nemizi yawo yonke kunye; abalimi, nabahamba emathanga benemihlambi yabo.

25Ngokuba ndiyawuseza uhluthe umphefumlo otyhafileyo; ndowanelisa umphefumlo wonke othé amandla.

26Kwakuba njalo, ndavuka, ndakhangela; ubuthongo bam bebumnandi kum.

27Yabona, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kuyihlwayela indlu kaSirayeli nendlu kaYuda ngembewu yomntu, nangembewu yenkomo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Kuya kuthi njengoko ndabaphaphelayo ukuba ndinyothule, ukuba ndidilize, ukuba ndigungxule, ukuba nditshabalalise, ukuba ndenze kube kubi: ngokunjalo ndibaphaphele ukuba ndakhe, ukuba ndityale; utsho uYehova.

29Ngaloo mihla abasayi kuba sathi, Ooyise badlé iidiliya ezimuncu, amazinyo oonyana aba buthelezi;

30ke elowo uya kufa ngenxa yobakhe ubugwenxa; umntu wonke odla iidiliya ezimuncu, nguye omazinyo aya kuba buthelezi.

31Yabona, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kwenza umnqophiso omtsha nendlu kaSirayeli nendlu kaYuda;

32ungabi njengomnqophiso endawenza noyise ngomhla endababambayo ngesandla, ukuba ndibakhuphe ezweni leYiputa; umnqophiso wam abasuka bawaphula bona, nangani bendiyindoda yabo; utsho uYehova.

33Nguwo ke lo umnqophiso, endiya kuwenza nendlu kaSirayeli emva kwaloo mihla, utsho uYehova: ndiya kuwubeka umyalelo wam embilinini yabo, ndiwubhale ezintliziyweni zabo, ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam;

34bangabi safundisa elowo ummelwane wakhe, elowo umzalwana wakhe, besithi, Mazini uYehova; ngokuba bonke bephela baya kundazi, kuthabathela kwabancinane kuse kwabakhulu, utsho uYehova; ngokuba ndiya kubuxolela ubugwenxa babo, ndingabi sasikhumbula isono sabo.

35Utsho uYehova, uMniki welanga, ukuba libe sisikhanyiso emini; uMniki wemimiselo yenyanga neenkwenkwezi, ukuba zibe sisikhanyiso ebusuku; uMlatyuzisi wolwandle, ukuba agqume amaza alo; ugama lakhe linguYehova wemikhosi:

36ukuthi, Ukuba ithe yasuka loo mimiselo phambi kwam, utsho uYehova, yophela nayo ke imbewu kaSirayeli, ingabi luhlanga phambi kwam ngamaxa onke.

37Utsho uYehova ukuthi, Ukuba lingaba nokulinganiswa izulu phezulu, zibe nokugocwagocwa iziseko zehlabathi phantsi, nam ke ndoba ndiya kuyicekisa yonke imbewu kaSirayeli, ngenxa yento yonke abayenzileyo; utsho uYehova.

38Yabona, kuza imihla, utsho uYehova, oya kuthi umzi lowo wakhelwe uYehova, kuthabathele enqabeni ende kaHananeli, kuse esangweni lembombo;

39lubùye luphume ulutya lokulinganisela, luthi gca phezu kwenduli kaGarebhe, lujikele eGoha.

40Yonke intili yezidumbu neyothuthu, namasimi onke asa esihlanjeni seKidron, asa embombeni yesango lamahashe ngasempumalanga, ibe ngcwele kuYehova, ingabi sanyothulwa, ingabi sagungxulwa naphakade.

UYeremiya 32

Intlawulelo yomhlaba eAnatoti

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, ngomnyaka weshumi kaZedekiya ukumkani wakwaYuda; loo mnyaka ke ngumnyaka weshumi elinesibhozo kaNebhukadenetsare.

2Oko ke impi yokumkani waseBhabheli ibiyingqingile iYerusalem, uYeremiya umprofeti evalelwe ente ndelezweni yentolongo, yendlu yokumkani wakwaYuda.

3Kuba ebevalelwe kuyo nguZedekiya ukumkani wakwaYuda, esithi, Yini na ukuba uthi ukuprofeta kwakho, Útsho uYehova ukuthi, Yabona, ndiyawunikela lo mzi esandleni sokumkani waseBhabheli, ukuba awuthimbe;

4angàsindi esandleni samaKaledi uZedekiya ukumkani wakwaYuda; úya kunikelwa okunene esandleni sokumkani waseBhabheli; umlomo wakhe uthèthe nomlomo wakhe, amehlo akhe abone amehlo akhe;

5amse uZedekiya eBhabheli, abe khona ndide ndimvelele, utsho uYehova; xa nithe nalwa namaKaledi, aniyi kuba nampumelelo.

6Wathi uYeremiya, Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

7Yabona, uHanameli, unyana kaShalum uyihlokazi, uza kuwe, esithi, Yithenge intsimi yam eseAnatoti; ngokuba kulunge nawe ukuyithenga uyikhulule ngentlawulelo.

8Weza ke kum entendelezweni yentolongo uHanameli, unyana kabawokazi, ngokwelizwi likaYehova, wathi kum, Khawuyithenge intsimi yam eseAnatoti, esezweni lakwaBhenjamin; ngokuba lilunge nawe ilifa, kokwakho ukuyikhulula ngokumisela; zithengele. Ndazi ke ukuba lilizwi likaYehova elo.

9Ndayithenga ke intsimi kuHanameli, unyana kabawokazi, eseAnatoti, ndamlinganisela imali leyo, iishekele ezilishumi zesilivere ezineeshekele ezisixhenxe.

10Ndakúbhala ke encwadini, ndayitywina, ndangqinisa amangqina, ndayilinganisela imali ngesikali.

11Ndayithabatha ke incwadi yentengo, leyo itywiniweyo inomthetho nemimiselo, naleyo ivulekileyo;

12ndayinikela incwadi yentengo kuBharuki unyana kaNeriya, unyana kaMaseya, emehlweni kaHanameli okabawokazi, nasemehlweni amangqina lawo abhalileyo encwadini yentengo, nasemehlweni amaYuda onke abehleli entendelezweni yentolongo.

13Ndamwisela uBharuki umthetho emehlweni abo, ndisithi,

14Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Thabatha ezi ncwadi, incwadi yentengo le itywiniweyo, nencwadi le ivulekileyo, uzibeke esityeni somdongwe, ukuze zihlale imihla emininzi.

15Ngokuba utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Kuya kubuya kuthengwe izindlu, namasimi, nezidiliya, kweli lizwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ndathandaza kuYehova emveni kokuyinikela kwam incwadi yentengo kuBharuki
unyana kaNeriya, ndathi,

17Awu, Nkosi yam Yehova, yabona, walenza izulu nehlabathi ngamandla akho
amakhulu, nangengalo yakho eyolukileyo; akukho nto ikunqabeleyo.

18Ùnguwenza inceba kumawaka, uphindezela ubugwenxa booyise esondweni
loonyana babo emva kwabo; uloThixo mkhulu, uligorha, ugama lakhe linguYehova
wemikhosi;

19ucebo likhulu, uzenzo zincamisileyo ngamandla; umehlo avulekileyo phezu
kweendlela zonke zoonyana babantu, ukuba umnike ulowo ngokweendlela zakhe,
nangokweziqhamo zezenzo zakhe;

20wamisayo imiqondiso nezimanga ezweni laseYiputa, únanamhla, nakumaSirayeli
nakwabanye abantu, wazenzela igama, njengoko kunjalo namhla.

21Wábakhupha abantu bakho amaSirayeli ezweni leYiputa ngemiqondiso,
nangezimanga, nangesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo,

22nangoloyikiso olukhulu. Wabanika eli lizwe wabafungelayo ooyise, ukuba ubànike
ilizwe elibaleka amasi nobusi.

23Beza ke balihlala; kodwa àbaliphulaphula izwi lakho, àbahamba ngomyalelo wakho;
konke owabawiseláyo umthetho ngako ukuba bakwenze, àbakwenza; wabahlisela ke
bonke obu bubi.

24Yabona, iindonga zokungqinga zifikile kulo mzi, ukuba ziwuthimbe; umzi ke
únikelwe esandleni samaKaledi alwayo nawo ngekrele, nangendlala, nangendyikitya
yokufa. Ilizwi owalithethayo lenzekile; nali ulibona.

25Ke wena, Nkosi yam Yehova, ùthe kum, Zithengele intsimi ngemali, ungqinise
amangqina; wakùbona ukuba umzi lo unikelwe esandleni samaKaledi.

26Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya, lisithi,

27Yabona, ndinguYehova, uThixo wenyama yonke; kukho nto indinqabeleyo na?

28Ngako oko utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndiyawunikela lo mzi esandleni
samaKaledi, nasesandleni sikaNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli, ukuba
awuthimbe;

29ezé amaKaledi alwayo naló mzi, awufake isikhuni, awutshise nezindlu
abeqhumisela kuBhahali phezu kophahla lwazo, bathululela thixweni bambi
iminikelo ethululwayo, ukuze bandiqumbise.

30Ngokuba oonyana bakaSirayeli noonyana bakaYuda baye besenza ububi bodwa
emehlweni am kwasebuncinaneni babo; ngokuba oonyana bakaSirayeli
ngabaqumbisi bodwa kum, ngezenzo zezandla zabo; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Ngokuba lo mzi waba sisisulu somsindo wam nobushushu bam, kususela kwimini owakhiwa ngayo, kude kube yile mini; ukuze ndiwususe ebusweni bam,

32ngenxa yobubi bonke boonyana bakaSirayeli noonyana bakaYuda, ababenzileyo ukuba bandiqumbise, bóna, nookumkani babo, nabathetheli babo, nababingeleli babo, nabaprofeti babo, namadoda akwaYuda, nabemi baseYerusalem.

33Bándinikela ikhosi, àbandinikela ubuso; báfundiswa, befundiswa kwakusasa, àbaphulaphula ububa bakuvume ukuqeqeshwa.

34Bábeka izinto zabo ezinezothe endlwini ebizwa ngegama lam, ukuze bayenze inqambi;

35bámakhela uBhahali izigánga ezisemfuleni wakwaBhen-hinom, ukuze babacandisele uMoleki oonyana babo neentombi zabo, into endingabawiselanga mthetho ngayo, engathanga qatha entliziyweni yam, ukuba bawenze loo masikizi, ukuze bawenze one amaYuda.

36Kukaloku ke, ngako oko utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ngokusingisele kulo mzi, enithi, Únikelwe esandleni sokumkani waseBhabheli ngekrele, nangendlala, nangendyikitya yokufa: ukuthi,

37Yabona, ndiyababutha emazweni onke, endabagxothela kuwo ngomsindo wam, nangobushushu bam, nangoburhalarhume obukhulu; ndobabuyisela kule ndawo, ndibahlalise bekholosile.

38Baya kuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo;

39ndibànike intliziyo enye, nendlela enye, ukuze bandoyike imihla yonke, kulunge kubo, nakoonyana babo emva kwabo.

40Ndiya kubenzela umnqophiso ongunaphakade, ukuba ndingabuyi ekubalandeleni, ukuba ndibènzele okulungileyo, ndibeke ukundoyika entliziyweni yabo, ukuze bangandishiyi.

41Ndoba nemihlali ngabo, ndibenzele okulungileyo, ndibatyale kweli lizwe ndínyanisile, ngentliziyo yam yonke nangomphefumlo wam wonke.

42Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Njengoko ndabaziselayo aba bantu bonke obu bubi bukhulu kangaka, ndiya kwenjenjalo ukubazisela konke okulungileyo endikuthethayo ngabo.

43Kuya kuthengwa amasimi kweli lizwe nìthi, Kusenkangala, alinabantu nankomo, linikelwe esandleni samaKaledi.

44Baya kuthenga amasimi ngemali, bawabhale encwadini, itywinwe; bathabathe amangqina ezweni lakwaBhenjamin, nangeenxa zonke kwiYerusalem, nasemizini yakwaYuda, nasemizini yasezintabeni, nasemizini yasezithabazini, nasemizini yelasezantsi; ngokuba ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kwabo; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYeremiya 33

Amadinga okubuyiswa

1Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya okwesibini, esavalelwe entendelezweni yentolongo, lisithi,

2Utsho uYehova, uMenzi woku; uYehova, uMyili woku, ukuba akuzimase; ugama lakhe linguYehova, ukuthi,

3Ndínqule, ndikuphèndule, ndikuxelele izinto ezinkulu ezinqabileyo, ongazaziyo.

4Ngokuba utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ngazo izindlu zalo mzi, nangezindlu zokumkani bakwaYuda ezidiliziweyo ngenxa yeendonga zokungqinga, nangenxa yekrele;

5bakubona ukuba baza kulwa namaKaledi, bazizalisa ngezidumbu zabantu, endibabulalayo ngomsindo wam nangobushushu bam, ekungenxa yezinto zabo zonke ezimbi, ukuba ndibusithelise ubuso bam kulo mzi:

6ukuthi, Yabona, ndiwubopha ngezinto ezibotshwayo, eziphilisayo, ndibaphìlise, ndibatyhilele ukuphuphuma koxolo nenyaniso.

7Ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kukaYuda nokuthinjwa kukaSirayeli, ndibakhe njengokwasekuqaleni.

8Ndobahlambulula ebugwenxeni babo bonke, aboné ngabo kum; ndibuxolele ubugwenxa babo bonke, boné ngabo kum, bakreqa ngabo kum.

9Lo mzi uya kuba ligama lemihlali kum, indumiso nesihombo kwiintlanga zonke zehlabathi, eziya kukuva konke okulungileyo endikwenzayo kuwo, zinkwantye, zigungqe ngenxa yokulunga konke, nangenxa yoxolo lonke, endiwenzela lona.

10Utsho uYehova ukuthi, Kuya kubuva kuviwe kule ndawo, nitshoyo ukuthi, Ilinxuwa, ayinabantu, ayinankomo, emizini yakwaYuda, nasezitratweni zaseYerusalem, ekusenkangala kuzo, ezingenabantu, ezingenabemi, ezingenankomo:

11kuviwe izwi lemihlali nezwi lemivuyo; izwi lomyeni nezwi lomtshakazi; izwi labathi, Bulelani kuYehova wemikhosi, ngokuba elungile uYehova, ngokuba ingunaphakade inceba yakhe; abazìsa imibulelo endlwini kaYehova. Ngokuba ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kwelizwe, limiwe njengokwasekuqaleni; utshilo uYehova.

12Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Kule ndawo ilinxuwa, ingenamantu, ingenankomo, nasemizini yayo yonke, kuya kubuya kubekho ikriwa labalusi, ababuthela imihlambi yabo kulo.

13Emizini yasezintabeni, nasemizini yasezithabazini, nasemizini yelasezantsi, nasezweni lakwaBhenjamin, nangeenxa zonke eYerusalem, nasemizini yakwaYuda, iya kubuya igqithe imihlambi phantsi kwezandla zoyibalayo; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Yabona, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kulimisa ilizwi elilungileyo,
endalithethayo kwindlu kaSirayeli nakwindlu kaYuda.

15Ngaloo mihla nangelo xesha, ndiya kumhlumisela uDavide iHlumelo loBulungisa,
eliya kwenza ngokwesiko nobulungisa ezweni.

16Ngaloo mihla lona liya kusindiswa elakwaYuda, ihlale ikholosile iYerusalem,
ukubizwa kwayo kuthiwe, UYehova-ububulungisa-bethu.

17Ngokuba utsho uYehova ukuthi, UDavide akayi kunqunyukelwa ndoda yakuhlala
etroneni yendlu kaSirayeli;

18bangànqunyukelwa ndoda ababingeleli abangabaLevi, yakunyusa amadini
anyukayo ebusweni bam, iqhumisele ngeminikelo yokudla, yenze imibingelelo imihla
yonke.

19Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya, lisithi,

20Utsho uYehova ukuthi, Ukuba nithe nawaphula umnqophiso wam wemini,
nomnqophiso wam wobusuku, ukuze kungabikho mini nabusuku ngexesha elililo:

21wóba uya kwaphulwa nawo umnqophiso wam noDavide umkhonzi wam, ukuba
angabi nanyana ungukumkani etroneni yakhe; kwanabaLevi ababingeleli,
abalungiselela mna.

22Njengokuba úngenakubalwa umkhosi wezulu, ingenakulinganiselwa intlabathi
yolwandle, ndiya kwenjenjalo ukuyandisa imbewu yomkhonzi wam uDavide,
nabaLevi abalungiselela mna.

23Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya, lisithi,

24Akukuboni na abakuthethayo aba bantu, besithi, Imizalwane yomibini,
awayinyulayo uYehova, uyicekisile yona? Babagiba ke abam abantu, ngokokude
bangabi saba luhlanga phambi kwabo.

25Utsho uYehova ukuthi, Ukuba awumi umnqophiso wam wemini nowobusuku,
ukuba imimiselo yezulu neyehlabathi andiyimisanga,

26ndoba ndiya kuyicekisa nembewu kaYakobi noDavide umkhonzi wam; ukuba
embewini yakhe ndingabi sathabatha abayilawulayo imbewu ka-Abraham noIsake
noYakobi, ngokuba ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kwabo, ndibe nemfesane kubo.

UYeremiya 34

Okwahlela ukumkani uZedekiya

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, akubon' ukuba uNebhukadenetsare
ukumkani waseBhabheli, enempi yakhe yonke, nezikumkani zonke zelizwe
eliselulawulweni lwesandla sakhe, nezizwe zonke, uyalwa neYerusalem nemizi yayo
yonke: lalisithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yiya, uthethe kuZedekiya ukumkani wakwaYuda, uthi kuye, Utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndiyawunikela lo mzi esandleni sokumkani waseBhabheli, ukuba awutshise ngomlilo.

3Ke wena akuyi kusinda esandleni sakhe; inene, ùya kubanjwa, unikelwe esandleni sakhe, amehlo akho awabone amehlo okumkani waseBhabheli, umlomo wakhe uthethe nomlomo wakho, uye nawe eBhabheli.

4Kodwa live ilizwi likaYehova, Zedekiya kumkani wakwaYuda; utsho uYehova ngawe, ukuthi, Akuyi kufa likrele, Ùya kufa unoxolo;

5ngokutshiselwa kooyihlo, ookumkani bamandulo ababekho ngaphambi kwakho, baya kwenjenjalo ukukutshisela; bakumbambazelele, besithi, Athi ke mna, nkosi! Ngokuba mna ndilithethile ilizwi; utsho uYehova.

6Wawathetha ke uYeremiya umprofeti loo mazwi onke kuZedekiya ukumkani wakwaYuda,

7eYerusalem, yakubon' ukuba impi yokumkani waseBhabheli iyalwa neYerusalem, nemizi yonke yakwaYuda eseleyo, neLakishe, neAzeka; ngokuba kwakusele yona emizini yakwaYuda, iyimizi enqatyisiweyo.

Impatheko yamakhoboka amaHebhere

8Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, emveni kokwenza kokumkani uZedekiya umnqophiso nabantu bonke baseYerusalem, wokuvakalisa kubo inkululeko:

9owokuba elowo andulule ikhoboka lakhe, elowo ikhobokazana lakhe elingumHebhere, elingumHebherekazi, elikhulúle, kungabikho umkhonzisayo umYuda umzalwana wakhe.

10Baphulaphula ke abathetheli bonke nabantu bonke, abangenáyo emnqophisweni wokuba elowo andulule ikhoboka lakhe, elowo ikhobokazana lakhe, elikhulúle, angabi sabakhonzisa; baphulaphula ke, babandulula.

11Emveni koko bajika, bawabuyisa amakhoboka namakhobokazana ababewandulule bewakhulule, bawaxinzelela ekubeni ngamakhoboka namakhobokazana.

12Kwafika ke ilizwi likaYehova kuYeremiya, livela kuYehova, lisithi,

13Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Mna ndenza umnqophiso nooyihlo, mini ndabakhupha ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka; ndathi,

14Ekupheleni kweminyaka esixhenxe, ize nindulule elowo umzalwana wakhe ongumHebhere, owazithengisayo kuwe; wókukhonza iminyaka emithandathu, umndulule kuwe, umkhulule; ke ooyihlo àbandiphulaphulanga, àbandithobelanga ndlebe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Nina ke nibuyile namhla, nenza okuthe tye emehlweni am ngokuvakalisa
inkululeko, elowo kummelwane wakhe, nenza umnqophiso phambi kwam endlwini
ebizwe ngegama lam;

16nasuka najika, nalihlambela igama lam, nabuyisa elowo ikhoboka lakhe, elowo
ikhobokazana lakhe, enaniwandulule, niwakhulule ngokuthanda kwawo;
nawaxinzelela ekubeni ngamakhoboka namakhobokazana kuni.

17Ngako oko, utsho uYehova ukuthi, Anindiphulaphulanga ngokuvakalisa inkululeko,
elowo kumzalwana wakhe, elowo kummelwane wakhe; yabonani, ndivakalisa kuni
inkululeko, utsho uYehova, yokuya ekreleni, nasendlaleni, nasendyikityeni yokufa,
ndininìkele kwizikumkani zonke zehlabathi, ukuze nibe yinto yokunqakulisa.

18Ndiya kuwenza amadoda awugqithileyo umnqophiso wam, angawagcinanga
amazwi omnqophiso awawenzayo phambi kwam, abe lelo thole alicanda kubini,
acanda phakathi kwezahlulo zenyama yalo.

19Abathetheli bakwaYuda, nabathetheli baseYerusalem, namagosa, nababingeleli,
nabantu bonke belizwe abacandayo phakathi kwezahlulo zethole,

20ndiya kubanikela ezandleni zeentshaba zabo, nasezandleni zabafuna umphefumlo
wabo, zidliwe izidumbu zabo ziintaka zezulu nangamarhamncwa omhlaba.

21UZedekiya ke ukumkani wakwaYuda, nabathetheli bakhe, ndiya kubanikela
esandleni sabafuna umphefumlo wabo, nasesandleni sempi yokumkani
waseBhabheli, yona leyo yemkayo kuni.

22Yabona, ndiwisa umthetho, utsho uYehova, wokuba ndibabuyisele kulo mzi, balwe
nawo, bawuthimbe, bawutshise ngomlilo, ndiyenze amanxuwa imizi yakwaYuda,
ingemiwa.

UYeremiya 35

Isifundo esifumaneka ngokuphulaphula kwamaRekabhi

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, ngemihla kaYehoyakim unyana
kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, lalisithi,

2Yiya endlwini yamaRekabhi, uthethe nawo, uwangenise endlwini kaYehova,
kwelinye igumbi, uwaseze iwayini.

3Ndamthabatha ke uYazaniya unyana kaYeremiya, unyana kaHabhatsiniya,
nabazalwana bakhe, noonyana bakhe bonke, nendlu yonke yamaRekabhi;
ndabangenisa endlwini kaYehova,

4egumbini koonyana bakaHanan unyana kaIgedaliya, umfo wakwaThixo, elisecaleni
kwegumbi labathetheli, eliphezu kwegumbi likaMahaseya unyana kaShalum,
umgcini-mnyango.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ndabeka phambi koonyana bendlu yamaRekabhi iindebe ezizele yiwayini,
neebhekile, ndathi kubo, Selani iwayini.

6-7Bathi bona, Asiyiseli iwayini; ngokuba uYonadabhi unyana kaRekabhi, ubawo,
wasiwisela umthetho wokuthi, Ze ningaseli wayini, nina, noonyana benu, naphakade;
ningakhi zindlu, ningahlwayeli mbewu, ningatyali sidiliya, ningabi nazo ezo zinto; ke
nohlala ezintenteni yonke imihla yenu, ukuze niphile imihla emininzi phezu
komhlaba, eningabaphambukeli kuwo.

8Siliphuláphule ke izwi likaYonadabhi unyana kaRekabhi, ubawo, kuko konke
awasiwisela umthetho ngako, ukuba singaseli wayini yonke imihla yethu, thina,
nabafazi bethu, noonyana bethu, neentombi zethu;

9wokuba singakhi nazindlu zokuba sihlale kuzo, singabi nazidiliya, nantsimi,
nambewu.

10Sihleli ezintenteni, seva, senza ngako konke awasiwisela umthetho ngako
uYonadabhi ubawo.

11Ke kaloku kwathi, ekunyukeni kukaNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli,
esiza kweli lizwe, sathi, Yizani singene eYerusalem ngenxa yempi yamaKaledi,
nangenxa yempi yama-Aram; sahlala ke eYerusalem apha.

12Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya, lisithi,

13Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yiya, uthi kumadoda
akwaYuda nakubemi baseYerusalem, Anikuvumi na ukuqeqeshwa, ukuba
niwaphulaphule amazwi am? utsho uYehova.

14Agciniwe amazwi kaYonadabhi, unyana kaRekabhi, awabawisela oonyana bakhe
ukuba bangaseli wayini; àbaseli unanamhla, bawuphulaphula ke umthetho kayise. Ke
mna ndathetha kuni, ndithetha, ndivuka kusasa; anindiphulaphulanga.

15Ndabathumela kuni bonke abakhonzi bam, abaprofeti, ndibathuma, ndivuka
kusasa, ndisithi, Khanibuye, elowo endleleni yakhe embi, nilungise iintlondi zenu,
ningalandeli thixo bambi, ukuze nibakhonze; nòhlala ke emhlabeni endawunika nina
nooyihlo. Ke anizithobanga iindlebe zenu, anindiphulaphulanga.

16Inene, oonyana bakaYonadabhi unyana kaRekabhi bawugcinile umthetho kayise,
awabawiselayo; ke bona aba bantu abandiphulaphuli.

17Ngako oko utsho uYehova, uThixo wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabonani,
ndiwazisela amaYuda nabemi bonke baseYerusalem bonke obu bubi ndathethayo
ngabo; ngenxa yokuba ndathetha kubo, àbeva; ndababiza, àbasabela.

18UYeremiya wathi kwindlu yamaRekabhi, Utsho uYehova wemikhosi, uThixo
kaSirayeli, ukuthi, Ngenxa enokuba niwuphulaphule umthetho kaYonadabhi uyihlo,
nayigcina yonke imithetho yakhe, nenza ngako konke awaniwisela umthetho ngako;

© 1975 Bible Society of South Africa.

19ngako oko utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, UYonadabhi, unyana kaRekabhi, akayi kunqunyukelwa ndoda yakuma phambi kwam yonke imihla.

UYeremiya 36

Ukubhalwa kwencwadi esongwayo yeziprofeto zikaYeremiya

1Kwathi, ngomnyaka wesiné kaYehoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, lafika eli lizwi kuYeremiya, livela kuYehova, lisithi,

2Thabathela kuwe incwadi esongwayo, uwabhale kuyo onke amazwi endawathetha kuwe ngamaSirayeli, nangamaYuda, nangeentlanga zonke, kususela kwimini endathethayo kuwe, uthabathele emihleni kaYosiya, ude uze kule mini.

3Mhlawumbi indlu kaYuda ingábuphulaphula bonke ububi endicinga ukubenza kubo, ukuze babuye elowo endleleni yakhe embi, ndibuxolele ubugwenxa babo nesono sabo.

4UYeremiya wabiza uBharuki unyana kaNeriya, wawabhala encwadini esongwayo uBharuki, ephuma emlonyeni kaYeremiya, onke amazwi kaYehova, awawathethayo kuye.

5UYeremiya wamwisela uBharuki umthetho, esithi, Mna ndivalelwe, andinako ukuya endlwini kaYehova.

6Yiya wena, uwalese encwadini esongwayo, leyo uyibhalileyo, ephuma emlonyeni wam, amazwi kaYehova, ezindlebeni zabantu endlwini kaYehova ngomhla wokuzila ukudla; uwalese nasezindlebeni zamaYuda onke, avela emizini yawo.

7Mhlawumbi ukutarhuzisa kwabo kungáwa phambi koYehova, babuye elowo endleleni yakhe embi; ngokuba mkhulu umsindo nobushushu, abuthethileyo uYehova ngaba bantu.

8Wenza ke uBharuki unyana kaNeriya njengako konke abemwisele umthetho uYeremiya umprofeti, wokuba awalese encwadini amazwi kaYehova endlwini kaYehova.

9Kwathi ngomnyaka weshumi kaYehoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, ngenyanga yesithoba, bamema uzilo lokudla phambi koYehova kubantu bonke baseYerusalem, nakubantu bonke ababevele emizini yakwaYuda, beza eYerusalem.

10UBharuki wawalesa encwadini amazwi kaYeremiya endlwini kaYehova, egumbini likaGemariya unyana kaShafan, umbhali, entendelezweni ephezulu, ekungeneni kwesango elitsha lendlu kaYehova, ezindlebeni zabantu bonke.

11Waweva uMikaya unyana kaGemariya, unyana kaShafan, onke amazwi kaYehova encwadini,

12wehla waya endlwini yokumkani, egumbini lombhali. Nabo, behleli khona abathetheli bonke: ooElishama umbhali, noDelaya unyana kaShemaya, noElinatan

© 1975 Bible Society of South Africa.

unyana ka-Akebhore, noGemariya unyana kaShafan, noZedekiya unyana kaHananiya, nabathetheli bonke.

13UMikaya wabaxelela onke amazwi abewavile ekuleseni kukaBharuki encwadini, ezindlebeni zabantu.

14Bonke abathetheli bathumela kuBharuki uYehudi unyana kaNetaniya, unyana kaShelemiya, unyana kaKushi, besithi, Incwadi esongwayo leyo ulesé kuyo ezindlebeni zabantu, yiphathe ngesandla sakho, uze. UBharuki unyana kaNeriya wayiphatha ke incwadi esongwayo ngesandla sakhe, weza kubo.

15Bathi kuye, Khawuhlale phantsi, uyilese ezindlebeni zethu. Wayilesa ke uBharuki ezindlebeni zabo.

16Kwathi, bakuweva onke loo mazwi, bankwantya, elowo ebheka kowabo; bathi kuBharuki, Simelwe kukumxelela ukumkani onke la mazwi.

17Bambuza uBharuki, besithi, Khawusixelele, ùtheni na ukuwabhala onke la mazwi ephuma emlonyeni wakhe?

18Wathi uBharuki kubo, Wawathetha kum onke la mazwi aphuma emlonyeni wakhe, ndawabhala encwadini le ngeinki.

19Bathi abathetheli kuBharuki, Hamba uye kuzímela, wena noYeremiya, kungàzi mntu apho nikhona.

20Bangena ke kukumkani entendelezweni, beyibeke incwadi esongwayo egumbini likaElishama umbhali, bawaxela ezindlebeni zokumkani onke amazwi lawo.

21Ukumkani wathuma uYehudi, ukuba ayithabathe incwadi esongwayo; wayithabatha ke egumbini likaElishama umbhali. UYehudi wayilesa ezindlebeni zokumkani, nasezindlebeni zabathetheli bonke abamele ngakukumkani.

22Ke kaloku ukumkani wayehleli endlwini yasebusika ngenyanga yesithoba, kubasiwe elukhambeni phambi kwakhe.

23Kwathi, xa uYehudi abelesé imiqolo emithathu nokuba miné, wayiqwenga ukumkani ngesitshetshe sombhali, wayiphosa emlilweni obuselukhambeni, yada yatsha yagqibela yonke incwadi esongwayo, emlilweni obuselukhambeni.

24Àbankwantyanga, àbazikrazulanga iingubo zabo ukumkani nabakhonzi bakhe, ababeweva loo mazwi onke.

25Noko ke bambongozayo ukumkani ooElinatan noDelaya noGemariya, ukuba angayitshisi incwadi esongwayo, àkabaphulaphula.

26Ukumkani wabawisela umthetho ooYerameli unyana kakumkani, noSeraya unyana ka-Azeriyeli, noShelemiya unyana ka-Abhedeli, ukuba bambambe uBharuki umbhali noYeremiya umprofeti; uYehova wabazimeza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya, emveni kokuba ukumkani abeyitshisile incwadi esongwayo, namazwi abewabhalile uBharuki, ephuma emlonyeni kaYeremiya, lisithi,

28Buya, uthabathe enye incwadi esongwayo, ubhale kuyo onke amazwi okuqala, abesencwadini esongwayo yokuqala, awayithisayo uYehoyakim ukumkani wakwaYuda.

29Uze uthi kuYehoyakim ukumkani wakwaYuda, Utsho uYehova ukuthi, Wena uyitshisile le ncwadi isongwayo, usithi, Yini na ukuba ubhale kuyo ukuthi, Ukumkani waseBhabheli uya kuza ezè, alonakalise eli lizwe, aphelise umntu nenkomo kulo?

30Ngako oko, utsho uYehova ngokusingisele kuYehoyakim ukumkani wakwaYuda, ukuthi, Akuyi kubakho bani wakwakhe kuye, uhlalayo etroneni kaDavide; isidumbu sakhe siya kulahlelwa ebushushwini belanga emini, naseqabakeni ebusuku.

31Ndiya kumvelela yena, nembewu yakhe, nabakhonzi bakhe, ngobugwenxa babo; ndibuzísele bona, nabemi baseYerusalem, namadoda akwaYuda, bonke ububi endabuthethayo kubo; ke àbaphulaphula.

32UYeremiya wathabatha enye incwadi esongwayo, wayinika uBharuki unyana kaNeriya, umbhali; wawabhala kuyo, ephuma emlonyeni kaYeremiya, onke amazwi encwadi awayitshisayo uYehoyakim ukumkani wakwaYuda ngomlilo. Kongezelelwa kuwo amazwi amaninzi, anjengawo.

UYeremiya 37

Iziganeko zongqingo lweYerusalem

1Ke kaloku ukumkani uZedekiya unyana kaYosiya waba ngukumkani esikhundleni sikaKoniyahu unyana kaYehoyakim, owenziwa ukumkani ezweni lakwaYuda nguNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli.

2Akawaphulaphula naye, nabakhonzi bakhe, nabantu belizwe, amazwi kaYehova awawathethayo ngoYeremiya umprofeti.

3Ukumkani uZedekiya wathuma ooYehukali unyana kaShelemiya, noZefaniya unyana kaMahaseya, umbingeleli, kuYeremiya umprofeti, esithi, Khawusithandazele kuYehova uThixo wethu.

4UYeremiya ke ubengena ephuma phakathi kwabantu, bengekamfaki entolongweni.

5Ke kaloku impi kaFaro ibiphume eYiputa; aziva iindaba zayo amaKaledi abeyingqinga iYerusalem, esuka emka eYerusalem.

6Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya umprofeti, lisithi,

7Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yitshoni kukumkani wakwaYuda, onithume ukuza kubuzisa kum, ukuthi, Yabonani, impi kaFaro ephume isiza ukuninceda, iya kubuyela zweni layo eYiputa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8abuye ke amaKaledi, alwe naló mzi, awuthimbe, awutshise ngomlilo.

9Utsho uYehova ukuthi, Musani ukuzikhohlisa ngokwenu, nisithi, Aya kumka kanye kuthi amaKaledi; ngokuba akayi kumka.

10Inene, nibe ningafanelana niyixabele impi yonke yamaKaledi alwayo nani, kwasala kuyo amadoda aziingxwelera; abeya kuvuka elowo ententeni yakhe, awutshise lo mzi ngomlilo.

Ukuvalelwa kukaYeremiya entolongweni

11Kwathi, ekumkeni kwempi yamaKaledi eYerusalem ngenxa yempi kaFaro,

12waphuma uYeremiya eYerusalem, esiya ezweni lakwaBhenjamin, ukuba athabathe khona isahlulelo sakhe phakathi kwabantu.

13Kwathi, esesangweni lakwaBhenjamin, ekhona nomphathi-balindi, ogama linguIriya unyana kaShelemiya, unyana kaHananiya, wambamba uYeremiya umprofeti, esithi, Ùphambela kumaKaledi.

14Wathi uYeremiya, Ùyaxoka; andiphambeli kumaKaledi. Ke àkamphulaphula; uIriya wambamba uYeremiya, wamsa kubathetheli.

15Abathetheli bamqumbela uYeremiya, bambetha, bamfaka endlwini yababanjwa, endlwini yombhali uYonatan; ngokuba babeyenze intolongo.

16Xa uYeremiya ebengenile endlwini engumhadi, ezingontsini, wahlala khona uYeremiya imihla emininzi.

17Uthe ke ukumkani uZedekiya wathumela, wamthabatha; ukumkani wambuza endlwini yakhe ngasese, wathi, Kukho lizwi na liphuma kuYehova? Wathi uYeremiya, Likho; wathi, Ùya kunikelwa esandleni sokumkani waseBhabheli.

18Wathi uYeremiya kukumkani uZedekiya, Ndoné ngantoni na kuwe, nakubakhonzi bakho, nakwaba bantu, ukuba nindifake entolongweni nje?

19Baphi na ke abaprofeti benu ababeprofeta kuni, besithi, Ukumkani waseBhabheli akayi kunifikela nina, nalo eli lizwe?

20Kaloku ke khawuphulaphule, nkosi yam kumkani, makuwe phambi kwakho ukutarhuzisa kwam; musa ukundibuyisela endlwini kaYonatan umbhali, hleze ndifele khona.

21Ukumkani uZedekiya wawisa umthetho; bambeka uYeremiya entendelezweni yabalindi, bamnika intenda yesonka imihla ngemihla esitratweni saboji, sada saphela sonke isonka phakathi komzi. UYeremiya wahlala ke entendelezweni yabalindi.

UYeremiya 38

Ukuphoswa kukaYeremiya emhadini onodaka

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku uShefatiya unyana kaMatan, noGedaliya unyana kaPashure, noYukali unyana kaShelemiya, noPashure unyana kaMalekiya, baweva amazwi abewathetha uYeremiya kubantu bonke, esithi,

2Utsho uYehova ukuthi, Ohlala kulo mzi wofa likrele, nayindlala, nayindyikitya yokufa; ophuma aye kumaKaledi wophila, ube lixhoba kuye umphefumlo wakhe, aphile.

3Utsho uYehova ukuthi, Lo mzi uya kunikelwa esandleni sempi yokumkani waseBhabheli, awuthimbe.

4Bathi ke abathetheli kukumkani, Mayibulawe le ndoda, ngokuba ngokwenjenje iwisa izandla zamadoda okulwa, aseleyo kulo mzi, nezandla zabantu bonke, ngokuthetha kubo amazwi anje; ngokuba le ndoda ayilungxamele uxolo lwaba bantu, ingxamele ububi babo.

5Wathi ukumkani uZedekiya, Yabonani, úsezandleni zenu; ngokuba ukumkani engenakuthini engenáni.

6Bamthabatha uYeremiya, bamphosa emhadini kaMalekiya unyana wokumkani, obusentendelezweni yabalindi; bamhlisa uYeremiya ngezintya emhadini, lowo ungenamanzi, unodaka; watshona eludakeni uYeremiya.

7Weva uEbhedi-meleki umKushi, indoda elithenwa, ebisendlwini yokumkani, ukuba bamfaké emhadini uYeremiya; ukumkani ke ubehleli esangweni lakwaBhenjamin.

8Waphuma uEbhedi-meleki endlwini yokumkani, wathetha kukumkani, esithi,

9Nkosi yam, kumkani, la madoda enzé into embi ngako konke akwenzileyo kuYeremiya umprofeti lo, amphosa emhadini; úya kufa yindlala kuloo ndawo akuyo, ngokuba akusekho sonka kulo mzi.

10Ukumkani wamwisela umthetho uEbhedi-meleki umKushi, esithi, Thabatha apha amadoda angamashumi amathathu asesandleni sakho umrhole uYeremiya umprofeti emhadini, engekafi.

11UEbhedi-meleki wathabatha amadoda lawo asesandleni sakhe, waya endlwini yokumkani ngaphantsi kwendlu yobuncwane, wathabatha khona amadlavu eengubo ezikrazukileyo nawezonakeleyo, wawathobela kuYeremiya emhadini ngezintya.

12Wathi uEbhedimeleki umKushi kuYeremiya, Khawubeke la madlavu eengubo ezikrazukileyo nawezonakeleyo phantsi kwamakhwapha akho ngaphantsi kwezintya.

13Wenjenjalo uYeremiya. Bamrhola uYeremiya ngezintya, bamnyusa emhadini; uYeremiya wahlala entendelezweni yabalindi.

14Wathuma ukumkani uZedekiya, wamthabathela kuye uYeremiya umprofeti, ekungeneni emnyango wesithathu osendlwini kaYehova. Wathi ukumkani kuYeremiya, Ndiya kukubuza indawo; uze ungafihli nto kum.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Wathi uYeremiya kuZedekiya, Ukuba ndithe ndakuxelela, àkuyi kundibulala
undibulale na? Nokuba ndithe ndakucebisa, àkuyi kundiphulaphula.

16Ukumkani uZedekiya wamfungela uYeremiya ngasese, esithi, Ehleli nje uYehova,
owasenzela lo mphefumlo, inene, andiyi kukubulala, andiyi kukunikela ezandleni
zaloo madoda awufunayo umphefumlo wakho.

17Wathi uYeremiya kuZedekiya, Utsho uYehova, uThixo wemikhosi, uThixo kaSirayeli,
ukuthi, Ukuba ùthe waphuma ukuphuma oku, waya kubathetheli bokumkani
waseBhabheli, wóphila umphefumlo wakho, nalo mzi ungàtshiswa ngomlilo; uphile
wena nendlu yakho;

18ke ukuba uthe akwaphuma uye kubathetheli bokumkani waseBhabheli, lo mzi
wonikelwa esandleni samaKaledi, awutshise ngomlilo, wena ke ungasindi esandleni
sawo.

19Ukumkani uZedekiya wathi kuYeremiya, Ndinesithukuthezi ngamaYuda aphambele
kumaKaledi, hleze andinikele esandleni sawo, afekethe ngam.

20Wathi uYeremiya, Akayi kukunikela. Khawuliphulaphule izwi likaYehova, ngokoko
ndilithethileyo kuwe; kolunga kuwe, uphile uphefumlo wakho.

21Ke ukuba uthe akwavuma ukuphuma, nali ilizwi andibonise lona uYehova, lokuthi,

22Yabona, bonke abafazi abaseleyo endlwini yokumkani wakwaYuda, baya
kukhutshwa basiwe kubathetheli bokumkani waseBhabheli, bathi abafazi abo,
Amadoda axolelene nawe akuxhokonxile, akweyisile; zitshonile nje emgxobhozweni
iinyawo zakho, wona abuya umva.

23Ke bonke abafazi bakho noonyana bakho baya kukhutshwa, basiwe kumaKaledi,
ungasindi wena esandleni sawo; ke wena uya kubanjwa sisandla sokumkani
waseBhabheli, utshisise lo mzi ngomlilo.

24UZedekiya wathi kuYeremiya, La mazwi makangàziwa mntu, ukuze ungafi.

25Xa ke bathe beva abathetheli ukuba ndithethe nawe, beza kuwe, bathi kuwe,
Khawusixelele oko ukuthethileyo kukumkani; musa ukukufihla kuthi, asiyi
kukubulala; kwanakuthethileyo ukumkani kuwe:

26wóthi kubo, Ndiwisé utarhuziso lwam phambi kokumkani, ukuba angandibuyiseli
endlwini kaYonatan, ndifele khona.

27Beza kuYeremiya bonke abathetheli, bambuza; wabaxelela ngokwaloo mazwi onke
abewise umthetho ngawo ukumkani. Bathi tu, bemka kuye; ngokuba ayivakalanga le
nto.

28Wahlala uYeremiya entendelezweni yabalindi, kwada kwangumhla eyathinjwa
ngawo iYerusalem.

UYeremiya 39

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

Ukoyiswa kweYerusalem nokuthinjwa kwabemi besiwa eBhabheli

1Kwathi, xenikweni iYerusalem ibithinjiwe (ngomnyaka wesithoba kaZedekiya
ukumkani wakwaYuda, ngenyanga yeshumi, akubon' ukuba ufikile eYerusalem
uNebhukadenetsare nempi yakhe yonke, bayingqinga;

2ngomnyaka weshumi elinamanye kaZedekiya, ngenyanga yesiné, ngolwesithoba
enyangeni leyo, wagqojozwa umzi),

3bafika bonke abathetheli bokumkani waseBhabheli, bahlala esangweni laphakathi:
ooNergale-sharetsere, noSamgare-nebho, noSarsekim umthetheli wamathenwa,
noNergale-sharetsere umthetheli wezazi, nabanye abathetheli bonke bokumkani
waseBhabheli.

4Kwathi, akubabona uZedekiya ukumkani wakwaYuda namadoda onke okulwa,
babaleka, baphuma ngobusuku phakathi komzi ngendlela yomyezo wokumkani,
ngesango eliphakathi kweendonga, baphuma ngendlela yeArabha.

5Impi yamaKaledi yabasukela, yamfikela uZedekiya ezinkqantosini zaseYeriko;
yamthabatha, yenyuka naye, yamsa kuNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli,
eRibhela ezweni laseHamati; athethwa khona amatyala akhe.

6Ukumkani waseBhabheli wababulala oonyana bakaZedekiya eRibhela emehlweni
akhe; nabanumzana bonke bakwaYuda wababulala ukumkani waseBhabheli.

7Wamtyhaphaza amehlo uZedekiya, wamkhonkxa ngamakhamandela obhedu, ukuba
asiwe eBhabheli.

8AmaKaledi ayitshisa ngomlilo indlu yokumkani nezindlu zabantu, azidiliza
neendonga zaseYerusalem.

9Amasalela abantu abaseleyo phakathi komzi, amaphamba aphambeláyo kuye,
kwanamasalela abantu abaseleyo, wabafudusela eBhabheli uNebhuzaradan
umthetheli wabasiki;

10ke inxenye yabantu abazizisweli, abangenanto iyinto, uNebhuzaradan, inkulu
yabasiki, wayishiya ezweni lakwaYuda, wayinika izidiliya namasimi ngaloo mhla.

Ukukhululwa kukaYeremiya

11Ke kaloku, uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli wawisa umthetho
ngoYeremiya ngesandla sikaNebhuzaradan, umthetheli wabasiki, esithi,

12Mthabathe, umise amehlo akho kuye, ungenzi nto imbi kuye; wòthi, njengoko
akuthethayo kuwe, wenjenjalo kuye.

13Ke bathuma ooNebhuzaradan umthetheli wabasiki, noNebhushazebhan
umthetheli wamathenwa, noNergale-sharetsere umthetheli wezazi, nabathetheli
bonke bokumkani waseBhabheli;

© 1975 Bible Society of South Africa.

14bathuma bamthabatha uYeremiya entendelezweni yabalindi, bamnikela
kuGedaliya unyana ka-Ahikam, unyana kaShafan, ukuba amkhuphe amse ekhaya.
Wahlala ke phakathi kwabantu.

15Ke kaloku, kwaye kufike ilizwi likaYehova kuYeremiya, akuba evalelwe
entendelezweni yabalindi, lisithi,

16Yiya uthi kuEbhedi-meleki umKushi, Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli,
ukuthi, Yabona, amazwi am ndiwazisela ububi kulo mzi, andiwaziseli okulungileyo;
aya kwenzeka phambi kwakho ngaloo mhla.

17Ke ndokuhlangula ngaloo mhla, utsho uYehova, ungànikelwa esandleni samadoda
onxungupheleyo ngawo.

18Ngokuba, inene, ndiya kukuzisa, ungawi likrele; úya kuba lixhoba kuwe
umphefumlo wakho, ngokuba ukholose ngam; utsho uYehova.

UYeremiya 40

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya, livela kuYehova, emveni kokuba ebendululwe eRama
nguNebhuzaradan, umthetheli wabasiki, ekumthabatheni kwakhe ekhonkxiwe
ngemixokelelwane phakathi kwabafudusiweyo bonke baseYerusalem nabakwaYuda,
ababefuduselwa eBhabheli.

2Umthetheli wabasiki wamthabatha ke uYeremiya, wathi kuye, UYehova uThixo
wakho wathetha obu bubi ngale ndawo;

3uYehova wabufikisa, wenza njengoko wakuthethayo; ngokuba nonayo kuYehova,
analiphulaphula izwi lakhe, yabakho ke le nto kuni.

4Kaloku ke yabona, ndiyayicombulula namhla imixokelelwane esezandleni zakho.
Ukuba kuthe kwalunga emehlweni akho ukuya nam eBhabheli, yiza, ndolimisa iliso
lam kuwe; ukuba kuthe kwakubi emehlweni akho ukuya nam eBhabheli, yeka ke.
Uyabona, ilizwe lonke liphambi kwakho; ukuya apho kuthe kwalunga kwathi tye
emehlweni akho, oko kokwakho, yiya khona.

5Uthe ke engekabuyi, wathi, Buyela kuGedaliya unyana ka-Ahikam, unyana kaShafan,
owenziwa umveleli ngukumkani waseBhabheli emizini yakwaYuda, uhlale naye
phakathi kwabantu; okanye uye apho kuthe tye emehlweni akho ukuya khona.
Umthetheli wabasiki wamnika umxhesho nesipho, wamndulula.

6UYeremiya waya kuGedaliya unyana ka-Ahikam eMizpa, wahlala naye phakathi
kwabantu ababesele elizweni.

UGedaliya umveleli eYerusalem

7Ke kaloku beva bonke abathetheli bezimpi ezisendle, bona namadoda abo, ukuba
ukumkani waseBhabheli umenze umveleli welizwe uGedaliya unyana ka-Ahikam,

© 1975 Bible Society of South Africa.

nokuba umenze umveleli wamadoda, nabafazi, nabantwana, nezisweli zelizwe, kwababengafuduselwanga eBhabheli.

8Beza ke kuGedaliya eMizpa, inguIshmayeli unyana kaNetaniya, noYohanan noYonatan oonyana bakaKareha, noSeraya unyana kaTanumete, noonyana bakaEfayi waseNetofa, noYezaniya umntu waseMahaka, bona namadoda abo.

9UGedaliya unyana ka-Ahikam, unyana kaShafan, wabafungela namadoda abo, esithi, Musani ukoyika ukuwakhonza amaKaledi; hlalani kweli lizwe, nimkhonze ukumkani waseBhabheli, kulunge kuni.

10Yabonani, ndihleli eMizpa, ukuze ndime phambi kwamaKaledi, aya kuza kuthi; ke nina hlanganisani iwayini, neziqhamo zasehlotyeni, neoli, nibeke ezityeni zenu, nihlale emizini yenu, enithe nayithimba.

11NamaYuda onke abe ekwelakwaMowabhi, nakoonyana baka-Amon, nakwelakwaEdom, nabasemazweni onke, eva ukuba ukumkani waseBhabheli umise amasalela kwaYuda, nokuba umenzé umveleli wawo uGedaliya unyana ka-Ahikam, unyana kaShafan.

12Abuya ke onke amaYuda, ezindaweni zonke abegxothelwe kuzo, eza elizweni lakwaYuda kuGedaliya eMizpa, abutha iwayini neziqhamo zasehlotyeni, zazininzi kakhulu.

13Ke kaloku uYohanan unyana kaKareha, nabathetheli bonke bezimpi ababesemaphandleni, beza kuGedaliya eMizpa.

14Bathi kuye, Uhleli usazi na ukuba uBhahalisi, ukumkani woonyana baka-Amon, uthume uIshmayeli unyana kaNetaniya, ukuba akubulale? Ke uGedaliya unyana ka-Ahikam ubengakholwa ngabo.

15UYohanan unyana kaKareha wathetha kuGedaliya ngasese eMizpa, wathi, Makhe ndiye ndimbulale uIshmayeli unyana kaNetaniya, kungàzi mntu; yini na ukuba ade abulale wena, achithwachithwe amaYuda onke ahlanganisene kuwe, atshabalale amasalela akwaYuda?

16UGedaliya unyana ka-Ahikam wathi kuYohanan unyana kaKareha, Musa ukuyenza loo nto; ngokuba ùthetha ubuxoki ngoIshmayeli.

UYeremiya 41

Ukubulawa kukaGedaliya nguIshmayeli nentsabo kaIshmayeli

1Kwathi ngenyanga yesixhenxe, weza uIshmayeli unyana kaNetaniya, unyana kaElishama, wasembewini yokumkani, wakubathetheli bokumkani, enamadoda alishumi, kuGedaliya unyana ka-Ahikam eMizpa; badla isonka ndawonye eMizpa apho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Wesuka uIshmayeli unyana kaNetaniya, namadoda alishumi abenaye, wamxabela
uGedaliya unyana ka-Ahikam, unyana kaShafan, ngekrele; wambulala ke obenziwe
umveleli ngukumkani waseBhabheli ezweni eli;

3namaYuda onke abenaye, abenoGedaliya eMizpa, namaKaledi awafunyanwayo
khona, angamadoda okulwa, wawabulala uIshmayeli.

4Kwathi ke ngomhla wesibini emva kokubulawa kukaGedaliya, kungàzi mntu,

5kwafika amadoda evela kwaShekem naseShilo nakwaSamari, amadoda
angamashumi asibhozo, eguye iindevu, ezikrazule iingubo, ezicentile, eneminikelo
yokudla nentlaka emhlophe ezandleni zawo, eyizisa endlwini kaYehova.

6Waphuma eMizpa uIshmayeli unyana kaNetaniya, waya kuwakhawulela, emana
ehamba elila. Kwathi, akufika kuwo, wathi kuwo, Yizani kuGedaliya unyana ka-
Ahikam.

7Kwathi, akufika phakathi komzi, wawabulala uIshmayeli unyana kaNetaniya,
wawalahlela emhadini phakathi, yena namadoda lawo abenaye.

8Ke kwafumaneka kuwo amadoda alishumi, awathi kuIshmayeli, Musa ukusibulala,
ngokuba sinezisele endle ezinengqolowa, nerhasi, neoli, nobusi. Wawayeka ke,
akawabulala phakathi kwabazalwana bawo.

9Ke kaloku umhadi, apho uIshmayeli wazilahlela kuwo ngakuGedaliya zonke
izidumbu zamadoda abewabulele (lowo wawenzayo ukumkani uAsa ngenxa
kaBhahesha ukumkani wakwaSirayeli), uIshmayeli unyana kaNetaniya wawuzalisa
ngababuleweyo.

10UIshmayeli wawathimba onke amasalela abantu abaseMizpa, iintombi zokumkani,
nabantu bonke ababesele eMizpa, abenziwe umveleli wabo uGedaliya unyana ka-
Ahikam nguNebhuzaradan, umthetheli wabasiki; wabathimba ke uIshmayeli unyana
kaNetaniya, wahamba, wawelela koonyana baka-Amon.

11Weva uYohanan unyana kaKareha, nabathetheli bonke bezimpi ezibe zinaye, bonke
ububi awabenzayo uIshmayeli unyana kaNetaniya;

12bawathabatha onke amadoda, baya kulwa noIshmayeli unyana kaNetaniya,
bamfumana ngasemanzini amakhulu aseGibheyon.

13Kwathi, bonke abantu abanoIshmayeli, bakumbona uYohanan unyana kaKareha,
nabathetheli bezimpi ezinaye, bavuya;

14bajika bonke abantu abebathimbe eMizpa uIshmayeli, babuya baya kuYohanan
unyana kaKareha.

15Ke uIshmayeli unyana kaNetaniya wasínda, enamadoda asibhozo, ebusweni
bukaYohanan, waya koonyana baka-Amon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Wawathabatha uYohanan unyana kaKareha, nabathetheli bonke bezimpi ababenaye, onke amasalela abantu, awababuyisayo kuIshmayeli unyana kaNetaniya eMizpa, emveni kokuba ebembulele uGedaliya unyana ka-Ahikam, amagorha, amadoda okulwa, nabafazi, nabantwana, namathenwa, abewabuyisile eGibheyon.

17Baya bahlala endlwini yabaphambukeli kaKimham engaseBhetelehem, ukuba baye kungena eYiputa, ngenxa yamaKaledi.

18Ngokuba babewoyika, ngokuba uIshmayeli unyana kaNetaniya ebembulele uGedaliya unyana ka-Ahikam, owayenziwe umveleli welizwe ngukumkani waseBhabheli.

UYeremiya 42

UYohanan ucela kuYeremiya umyalezo ovela kuThixo

1Basondela bonke abathetheli bezimpi: ooYohanan unyana kaKareha, noYezaniya unyana kaHoshaya, nabantu bonke, bethabathela komncinane base komkhulu. Bathi kuYeremiya umprofeti,

2Ukutarhuzisa kwethu makhe kuwe phambi kwakho, usithandazele kuYehova uThixo wakho, uthandazele la masalela onke; ngokuba sisele sambalwa, besibaninzi, njengoko asibonayo amehlo akho;

3uYehova uThixo wakho asixelele indlela esingahamba ngayo, nento esingayenzayo.

4Wathi uYeremiya umprofeti kubo, Ndivile; yabonani, ndiya kuthandaza kuYehova uThixo wenu ngokwamazwi enu; kuthi onke amazwi aniphendule ngawo uYehova, ndinixelele; andiyi kunivimba lizwi.

5Bathi bona kuYeremiya, UYehova makabe lingqina elinyanisileyo, elithembekayo, ngathi, ukuba asithanga senze ngokwelizwi lonke, awokuthuma lona kuthi uYehova uThixo wakho.

6Nokuba lilungile, nokuba libi, siya kuliphulaphula ilizwi likaYehova uThixo wethu, esikuthumela kuye; ukuze kulunge kuthi, xa siliphulaphulayo ilizwi likaYehova uThixo wethu.

7Kwathi ekupheleni kwemihla elishumi, kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya.

8Wabiza uYohanan unyana kaKareha, nabathetheli bonke bezimpi ababenaye, nabantu bonke, bathabathela komncinane, besa komkhulu.

9Wathi kubo, Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, enindithumele kuye, ukuba ndiwise ukutarhuzisa kwenu phambi kwakhe, ukuthi,

10Ukuba nithe nahlala kweli lizwe, ndonakha, ndingànigungxuli; ndonityala, ndingàninyothuli; ngokuba ndiyazohlwaya ngenxa yobubi endibenzileyo kuni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[11]Musani ukumoyika ukumkani waseBhabheli, lowo nimoyikayo; musani ukumoyika, utsho uYehova; ngokuba ndináni, ukuba ndinisindise, ndinihlangule esandleni sakhe.

[12]Ndiya kunenzela imfesane, abe nemfesane kuni, anibuyisele emhlabeni wakowenu.

[13]Ke ukuba nithe, Asisayi, kuhlala kweli lizwe, analiphulaphula izwi likaYehova uThixo wenu, nathi,

[14]Hayi, thina siya kuya ezweni leYiputa, ukuze singàbonani namfazwe, singàliva nezwi lesigodlo, singàlambeli sonka, sihlale khona ke:

[15]ngako oko kaloku liveni ilizwi likaYehova, masalela akwaYuda. Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Ukuba nithe nabubhekisa kwaphela ubuso benu eYiputa, naya kuphambukela khona,

[16]ikrele, eniloyikayo, lonifikela nakhona ezweni leYiputa; nendlala leyo, ninesithukuthezi ngayo, yothi nama kuni ukunilandela eYiputa, nifele khona.

[17]Namadoda onke, abubhekise ubuso bawo eYiputa, ukuba aphambukele khona, aya kufa likrele, nayindlala, nayindyikitya yokufa, kungasali nanye kuwo, isindayo ebubini endiwazisela bona.

[18]Ngokuba utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Njengoko waphalazekayo umsindo wam nobushushu bam phezu kwabemi baseYerusalem, buya kwenjenjalo ukuphalazeka ubushushu bam phezu kwenu ekuyeni kwenu eYiputa; nibe yintshwabulo, nesimanga, nentshabhiso, nesingcikivo, ningabi sayibona le ndawo.

[19]UYehova uthethile kuni, masalela akwaYuda; musani ukuya eYiputa; yazini nazi, ukuba ndiqononondisile ukuthetha kuni namhla.

[20]Ngokuba niyikhohlisile imiphefumlo yenu. Xa nindithumele kuYehova uThixo wenu, nisithi, Síthandazele kuYehova uThixo wethu; njengoko konke awokuthetha kuthi uYehova uThixo wethu, síxelele njengoko, sokwenza;

[21]ndinixélele ke namhla. Ke aniliphulaphulanga ilizwi likaYehova uThixo wenu ngako konke awandithumelayo ngako kuni.

[22]Kungokunje yazini ukuba niya kufa likrele, nayindlala, nayindyikitya yokufa, kuloo ndawo ningxamele ukuya kuyo, ukuba niphambukele kuyo.

UYeremiya 43

Abantu abawuphulaphuli umyalezo; baya eYiputa

[1]Kwathi, akugqiba uYeremiya ukuwathetha ebantwini bonke amazwi onke kaYehova uThixo wabo, awamthuma wona uYehova uThixo wabo kubo,

[2]onke la mazwi, batsho ooAzariya unyana kaHoshaya, noYohanan unyana kaKareha, namadoda onke akhukhumeleyo, ukuthi kuYeremiya, Ùthetha ubuxoki; uYehova

© 1975 Bible Society of South Africa.

uThixo wethu akakuthumanga kuthi, ukuba uthi, Ze ningayi eYiputa niphambukele khona;

3uBharuki ke, unyana kaNeriya, úya kuxhokonxa ngakuthi, kuba efuna ukuba sinikelwe esandleni samaKaledi, ukuba asibulale, ukuba asifudusele eBhabheli.

4UYohanan unyana kaKareha, nabo bonke abathetheli bezimpi, nabantu bonke, àbaliphulaphula ilizwi likaYehova lokuba bahlale elizweni lakwaYuda.

5UYohanan unyana kaKareha, nabo bonke abathetheli bezimpi, bawathabatha onke amasalela akwaYuda, abebuyé evela ezintlangeni zonke abegxothelwe kuzo, ukuba aye kuphambukela ezweni lakwaYuda:

6amadoda, nabafazi, nabantwana, neentombi zokumkani, nemiphefumlo yonke abeyishiye uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki, kuGedaliya unyana ka-Ahikam, unyana kaShafan, noYeremiya umprofeti, noBharuki unyana kaNeriya.

7Baya ke elizweni laseYiputa, ngokuba babengaliphulaphulanga izwi likaYehova; baya bafika eTapanesi.

Ukoyiswa kweYiputa okuzayo kuyaxelwa

8Kwafika ilizwi likaYehova kuYeremiya eTapanesi, lisithi,

9Thabatha ngesandla sakho amatye amakhulu, uwaqhusheke eludakeni endaweni yokutshisa izitena, esemnyango wendlu kaFaro eTapanesi, emehlweni amadoda akwaYuda.

10Uze uthi kuwo, Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabonani, ndiya kuthumela ndithabathe uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, umkhonzi wam, ndiyibeke itrone yakhe ngaphezu kwala matye ndiwaqhushekileyo; aneke isivatho sakhe esihle ngaphezu kwawo.

11Úya kufika alibethe ilizwe leYiputa, owokufa afe, owokuthinjwa athinjwe, owekrele abe ngowekrele.

12Ndiya kufaka isikhuni ezindlwini zoothixo baseYiputa, azitshise zona, abathimbe bona, azithi wambu ngelizwe leYiputa, njengokuba umalusi ezithi wambu ngengubo yakhe; aphume kulo enoxolo.

13Úya kuwaqhekeza amatye amisiweyo aseBhete-shemeshe, asezweni leYiputa, azitshise ngomlilo izindlu zoothixo baseYiputa.

UYeremiya 44

UYeremiya ukhalimela unqulo-zithixo lwamaSirayeli eYiputa

1Ilizwi elafikayo kuYeremiya ngokusingisele kumaYuda onke ahleliyo ezweni laseYiputa, ahleli eMigidoli, naseTapanesi, naseNofu, nasezweni lasePatrosi, lalisithi:

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Nibubonile ububi bonke endayizisela bona iYerusalem, nemizi yonke yakwaYuda. Niyabona, ingamanxuwa ngayo le mini, akukho umiyo kuyo;

3ngenxa yobubi ababenzáyo, ukuze bandiqumbise ngokuya kuqhumisela nokukhonza thixo bambi, ababengabazi bona, nani, nooyihlo.

4Ndathumela kuni bonke abakhonzi bam abaprofeti, ndibathuma ndivuka kusasa, ndisithi, Musani ukukha niyenze le nto ingamasikizi, ndiyithiyileyo.

5Noko ke abevanga, abayithobanga indlebe yabo, ukuba babuye ebubini babo, bangàqhumiseli thixweni bambi.

6Báphalazeka ke ubushushu bam nomsindo wam, watshisa emizini yakwaYuda nasezitratweni zeYerusalem; yaba linxuwa, yabharha, njengoku kunjalo namhla.

7Kaloku utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yini na ukuba niyenzele ububi obukhulu kangaka imiphefumlo yenu, bokunqumla kuni indoda nomfazi, umntwana nosebeleni, kwelakwaYuda, kungasali masalela kuni;

8ngokundiqumbisa ngezenzo zezandla zenu, ngokuqhumisela thixweni bambi ezweni laseYiputa, eneza kuphambukela kulo; ukuze nizinqumle ngokwenu, nibe yintshabhiso nesingcikivo ezintlangeni zonke zehlabathi?

9Nizilibele na izinto ezimbi zooyihlo; izinto ezimbi zookumkani bakwaYuda, nezinto ezimbi zabafazi babo, nezinto ezimbi zenu ngokwenu, nezinto ezimbi zabafazi benu, abazenzáyo ezweni lakwaYuda nasezitratweni zeYerusalem?

10Unanamhla abatyumkanga, aboyikanga, abahambanga ngomyalelo wam nangemimiselo yam, endayibeka phambi kwenu naphambi kooyihlo.

11Ngako oko utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabonani, ubuso bam ndiya kububhekisa kuni, ukuba kube kubi, anqunyulwe onke amaYuda.

12Ndiya kuwathabatha amasalela akwaYuda, abubhekisileyo ubuso bawo ekuyeni ezweni laseYiputa ukuba aphambukele khona, agqitywe onke; aya kuwa ezweni leYiputa; aya kugqityelwa likrele nayindlala, kuthabathele kwabancinane kuse kwabakhulu; aya kufa likrele nayindlala, abe yintshwabulo, nommangaliso, nentshabhiso, nesingcikivo.

13Ndiya kubavelela abahleli ezweni leYiputa, njengoko ndayivelelayo iYerusalem ngekrele, nangendlala, nangendyikitya yokufa.

14Akuyi kubakho usindayo, usalayo, kumasalela akwaYuda, abezé kuphambukela khona ezweni leYiputa, ukuba abuyele ezweni lakwaYuda, elo lizweayiphakamisele kulo imiphefumlo yawo ukubuyela kulo, ukuba ahlale khona; ngokuba abayi kubuya, ingengabasinda ngokubhungca.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Amphendula uYeremiya onke amadoda, abesazi ukuba abafazi bawo baqhumisela thixweni bambi, nabafazi bonke ababemi esikhungwini esikhulu, nabantu bonke ababehleli ezweni leYiputa, ePatrosi, ngokuthi,

16Ilizwi elo ulithethileyo kuthi egameni likaYehova, asiyi kukuphulaphula ngalo.

17Inene, siya kuwenza onke amazwi aphumileyo emlonyeni wethu, okuqhumisela kukumkanikazi wezulu, simthulùlele iminikelo ethululwayo, njengoko sakwenzayo, thina noobawo, ookumkani bethu nabathetheli bethu, emizini yakwaYuda, nasezitratweni zaseYerusalem; sahlútha ke sisonka, salunga, asabona bubi.

18Kususela koko sayekayo ukuqhumisela kukumkanikazi wezulu, nokumthululela iminikelo ethululwayo, saswela iinto zonke, sagqityelwa likrele nayindlala.

19Xa ke thina bafazi síqhumiselayo kukumkanikazi wezulu, símthululelayo iminikelo ethululwayo, símenzela izonkana zokuba eyilwa, símthululela iminikelo ethululwayo, amadoda ethu àkakho na kuthi?

20Wathetha uYeremiya kubantu bonke, kumadoda nakubafazi, kubantu bonke abamphenduláyo ngelo lizwi, wathi,

21Ukuqhumisela oko enaqhumisela ngako emizini yakwaYuda nasezitratweni zaseYerusalem, nina nooyihlo, ookumkani benu nabathetheli benu, nabantu belizwe, àkakukhumbulanga na uYehova? Akuthanga qatha na entliziyweni yakhe oko?

22UYehova àkaba saba nako ukuthwala, ngenxa yeentlondi zenu ezimbi, ngenxa yamasikizi enawenzayo; lasuka ilizwe lenu labharha, kwaba senkangala, langummangaliso nentshabhiso, lingenammi, njengoko kunjalo namhla.

23Ngenxa yokuqhumisela kwenu, nangenxa yokona kwenu kuYehova, ànaliphulaphula izwi likaYehova, ànahamba ngomyalelo wakhe, nangemimiselo yakhe, nangezingqino zakhe: ngenxa yoko bunihlele obo bubi, njengoko kunjalo namhla.

24Wathi uYeremiya kubantu bonke, nakubafazi bonke, Liveni ilizwi likaYehova, nonke maYuda asezweni leYiputa;

25utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Nina nabafazi benu niyathetha ngomlomo wenu, nangezandla zenu nikuzàlise, nisithi, Masenze izibhambathiso zethu, esabhambathisa ngazo, zokuqhumisela kukumkanikazi wezulu, simthululele iminikelo ethululwayo:

26zimiseni nizimise kambe izibhambathiso zenu; zenzeni nizenze kambe izibhambathiso zenu. Ngako oko liveni ilizwi likaYehova, nonke maYuda, ahleliyo ezweni leYiputa: Yabonani, ndifungé igama lam elikhulu, utsho uYehova, inene, aliyi kuba sabizwa igama lam ngumlomo kabani wakwaYuda ezweni lonke leYiputa, esithi, Ihleli nje iNkosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Yabonani, ndiwaphaphela ukuba kube kubi, kungalungi, agqityelwe onke amadoda akwaYuda ezweni laseYiputa, likrele nayindlala, ade aphele.

28Baya kubuya ezweni leYiputa abasindé ekreleni, baye ezweni lakwaYuda bembalwa; alàzi onke amasalela akwaYuda, azileyo ezweni leYiputa ukuba aphambukele kulo, ukuba liliphi na ilizwi eliya kuma khona: lelam, lelabo, kusini na.

29Nangu ke umqondiso kuni, utsho uYehova, wokuba ndiya kunivelela kule ndawo, ukuze nazi ukuba amazwi am aya kuma, animele ububi.

30Utsho uYehova ukuthi, Yabonani, ndiyamnikela uFaro-hofra, ukumkani weYiputa, esandleni seentshaba zakhe, esandleni sabafuna umphefumlo wakhe, njengoko ndamnikelayo uZedekiya ukumkani wakwaYuda esandleni sikaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, utshaba lwakhe, olube lufuna umphefumlo wakhe.

UYeremiya 45

Ukuprofeta kuBharuki

1Ilizwi awalithethayo uYeremiya umprofeti kuBharuki unyana kaNeriya, ekuwabhaleni kwakhe encwadini la mazwi, ephuma emlonyeni kaYeremiya, ngomnyaka wesiné kaYoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, lalisithi,

2Utsho uYehova, uThixo kaSirayeli, kuwe, Bharuki, ukuthi, Wena uthi, Athi ke mna!

3Ngokuba uYehova wongeza isingqala kumvandedwa wam; ndidiniwe kukuncwina kwam, andifumani kuphumla.

4Yithi ke kuye, Utsho uYehova ukuthi, Yabona, into endiyakhileyo ndiyayigungxula, into endiyityeleyo ndiyayinyothula; lihlabathi lonke ke elo.

5Wena uzifunela izinto ezinkulu; musa ukuzifuna. Ngokuba, uyabona, ndiyizisela ububi inyama yonke, utsho uYehova; ke ndikunika umphefumlo wakho ube lixhoba lakho, ezindaweni zonke oya kuya kuzo.

UYeremiya 46

Isiprofeto sokuchasa iYiputa

1Into eyafikayo kuYeremiya umprofeti, ililizwi likaYehova ngokusingisele kwiintlanga.

2ElingeYiputa, ngokusingisele kwimpi kaFaro-neko ukumkani weYiputa, ebisemlanjeni ongumEfrati, eKarkemishe, awayixabelayo uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, ngomnyaka wesiné kaYehoyakim unyana kaYosiya, ukumkani wakwaYuda, lalisithi:

3Lungisani ingweletshetshe nekhaka, yiyani kulwa.

4Bophani amahashe ezinqwelweni zokulwa, khwelani nina bamahashe; zimiseni ninezigcina-ntloko, khazimlisani izikhali, ninxibe iingubo zentsimbi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Yini? ndibona ntoni? Baqhiphuka umbilini, babuya umva; amagorha abo aqotyiwe;
basaba intsabo kanye, bangabi saphethula; kukunxunguphala ngeenxa zonke; utsho
uYehova.

6Makangasabi onamendu, lingasindi igorha; ngasentla, ngasemlanjeni ongumEfrati,
bakhubeké bawa.

7Ngubani na lo unyuka njengoMnayile, umanzi azamazama njengemilambo?

8IYiputa iyenyuka njengoMnayile, amanzi ayo ayazamazama njengemilambo. Ithi,
Ndiya kunyuka, ndiya kuwugubungela umhlaba; ndiya kuyitshabalalisa imizi nabemi
bayo.

9Qakathani, mahashe; nidlongozele, zinqwelo zokulwa. Makaphume amagorha,
amaKushi namaPuti aphethé ingweletshetshe, namaLudi, aphethe atyedé isaphetha.

10Le mini yeyeNkosi, uYehova wemikhosi; yimini yempindezelo, yokuphindezela
kubabandezeli bakhe; lidle lihluthe ikrele, lisele lidikwe ligazi labo; ngokuba
inombingelelo iNkosi, uYehova wemikhosi, ezweni lasentla, emlanjeni ongumEfrati.

11Nyuka uye eGiliyadi, thabatha amafutha aqholiweyo, nkazanandini, ntombi
iyiYiputa; ùfumana usandisa oomathunga; akunakubotshwa.

12Iintlanga zikuvile ukucukucezwa kwakho, ukukhala kwakho kwazalisa ihlabathi;
ngokuba igorha likhubeka egorheni, omabini awa ndaweni-nye.

13Ilizwi awalithethayo uYehova kuYeremiya umprofeti, ngokuza
kukaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, ukuba alixabele ilizwe laseYiputa,
lalisithi:

14Xelani eYiputa, nivakalise eMigidoli, nivakalise eNofu naseTapanesi; yithini, Misa,
xhoba; ngokuba ikrele liya kudla ngeenxa zonke kuwe.

15Yini na ukuba ziqwelwe iimbalasane zakho? Azimanga, ngokuba uYehova
uzingqulile.

16Ukhubekisa abaninzi, ewe, omnye uwela omnye; bathi, Sukani, masibuyele
ebantwini bakowethu, ezweni esazalelwa kulo, ngenxa yekrele elidlavulayo.

17Bádanduluka khona, bathi, UFaro ukumkani weYiputa utshabile; ulidlulisile ixesha
elimisiweyo.

18-19Ndihleli nje, utsho ukumkani, ogama lakhe linguYehova wemikhosi, ukuthi,
Inene, úya kuza énjengeTabhore phakathi kweentaba, énjengeKarmele
ngaselwandle. Zénzele iimpahla zemfuduka, mmi, ntombi iyiYiputa; ngokuba iNofu
iya kuba linxuwa, itshiswe, ingabi nammi.

20IYiputa lithokazi elihle kakhulu; isibawu sasentla siyeza, siyeza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Kanjalo imikhosi yayo eqeshiweyo phakathi kwayo injengamathole asesitalini;
inene, nayo leyo ijikile, iyasaba kunye, ayimi; ngokuba úyifikele umhla wokusindeka
kwayo, ixesha lokuvelelwa kwayo.

22Isandi sayo sinjengokuhamba kwenyoka; ngokuba bahamba ngobukroti, bayifikele
ngezixengxe njengabagawuli bemithi.

23Bagawula ihlathi layo, utsho uYehova, nokuba lithe shinyi; ngokuba baninzi
ngaphezu kweenkumbi, àbanakubalwa.

24Intombi eyiYiputa ihlazekile, inikelwe esandleni sabantu belasentla.

25Uthi uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, Yabona, ndiyamvelela uAmon waseNo,
noFaro, neYiputa, noothixo bayo, nobukumkani bayo, kwauFaro nabakholose ngaye.

26Ndobanikela esandleni sabafuna umphefumlo wabo, esandleni
sikaNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, nasesandleni sabakhonzi bakhe;
emveni koko imìwe njengokwemihla yamandulo; utsho uYehova.

27Ke wena musa ukoyika, mkhonzi wam Yakobi; ungaqhiphuki umbilini, Sirayeli;
ngokuba, ùyabona, ndiya kukusindisa kwakude, nembewu yakho ezweni ethinjelwe
kulo, abuye uYakobi, azole, onwabe, angagubhi.

28Musa ukoyika, wena mkhonzi wam Yakobi, utsho uYehova; ngokuba ndinawe;
ngokuba ndiya kuzigqibela kuphele iintlanga zonke endikugxothele kuzo. Ke wena
andiyi kukugqibela kuphele; ndokuthethisa ngokusesikweni; andiyi kuthi umsulwa.

UYeremiya 47

Isiprofeto sokuchasa amaFilisti

1Into eyafikayo kuYeremiya umprofeti, ililizwi likaYehova ngokusingisele kumaFilisti,
uFaro engekayixabeli iGaza, yaye iyile:

2Utsho uYehova ukuthi, Yabona, kunyuka entla amanzi angumlambo ongumkhukula,
ontywilisela ilizwe nenzaliseko yalo, imizi nabemi bayo; sikhale isintu, babhomboloze
bonke abemi belizwe.

3Ngenxa yesingqi sokunyathela kwamanqina eembalasane zamahashe akhe, ngenxa
yokugoqoza kweenqwelo zakhe zokulwa, ngokuxokozela kweevili zakhe, ooyise
abasabheki koonyana ngokuwa kwezandla;

4ngenxa yemini eza kuwabhuqa onke amaFilisti, eza kunqumla eTire neTsidon bonke
abasale banceda; ngokuba uYehova uyawabhuqa amaFilisti, amasalela onxweme
lwaseKafetori.

5Isezileni iGaza, itshabalele iAshkelon, amasalela entili yabo.

6Kunini na uxicenta? Awu! Krele likaYehova, kunini na ungaphezi? Rhoxela
esingxotyeni sakho; phumla, uthi cwaka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ùngathini na ukupheza, uYehova ekuwisele umthetho nje? EAshkelon naselunxwemeni lolwandle, apho úkuyalele.

UYeremiya 48

Isiprofeto sokuchasa uMowabhi

1Ngokusingisele kwelakwaMowabhi, utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Yeha iNebho, ngokuba ibhuqiwe. Ihlazisiwe, ithinjiwe iKiriyatayim; ihlazekile, iqhiphuke umbilini ingxonde leyo.

2Iqhayiya lakwaMowabhi alisekho; eHeshbhon bacebe ububi ngaye, bathi, Yizani simnqumle, angabi luhlanga. Nawe, Mademena, uya kudaka; ikrele liya kukulandela.

3Phulaphulani ukukhala eHoronayim! Yimbuqo nokwaphuka okukhulu!

4UMowabhi waphukile, iimbedlenge zakhe zivakala zikhala.

5Ngokuba ekunyukeni eqhineni laseLuhoti, baya kulila, balile; ngokuba ekuhlèni eHoronayim ababandezelwa baya kuvakala bekhaliswa kukwaphulwa.

6Sabani, sizani imiphefumlo yenu, yibani njengoze entlango.

7Ngenxa enokuba ùkholose ngezenzo zakho nangobuncwane bakho, nawe uya kuthinjwa, aphume afuduswe uKemoshe, ababingeleli bakhe nabathetheli bakhe kunye.

8Úya kufika umbhuqi emizini yonke, kungasindi mzi, idake intili, litshabalale ihewu, njengoko watshoyo uYehova.

9Mnikeni amaphiko uMowabhi; ngokuba wóphuma ebaleka, imizi yakhe ibe ngamanxuwa, ingemiwa.

10Makaqalekiswe owenza umsebenzi kaYehova ngokudangala, aqalekiswe onqanda ikrele lakhe egazini.

11Wonwaba uMowabhi kwasebuncinaneni bakhe, wee tywa phezu kweentsipho zakhe; akakhutshelwanga kwesinye isitya, akahambanga efuduswa; ngenxa yoko isongo sakhe sihleli kuye, nevumba lakhe aliguqukanga.

12Ngako oko, yabonani, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kuthumela abathululi kuye, bamthulule, bazikhuphele izitya zakhe, bayiqhekeze imiphanda yakhe.

13Úya kudana uMowabhi nguKemoshe, njengoko yadanayo indlu kaSirayeli yiBheteli, inkoloseko yayo.

14Ningáthini na ukuthi, Singamagorha, singamadoda anobukroti emfazweni?

15Úyabhuqwa uMowabhi, imizi yakhe iyenyukwa, amadodana akhe anyuliweyo athobela ekusikweni; utsho uKumkani ogama lakhe linguYehova wemikhosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Kusondele, kuza kufika, ukusindeka kukaMowabhi; ububi bakhe buyangxama kakhulu.

17Hlunguzelani iintloko ngaye, nonke nina ningeenxa zonke kuye, nonke nina nilaziyo igama lakhe. Yithini, Yoo! Itheni na ukwaphuka intonga yonamandla, uluthi lokuhomba.

18Yihla eluzukweni, uhlale phantsi kwelinenxano, mmi, ntombi yaseDibhon; ngokuba umbhuqi kaMowabhi unyuke weza kuwe, úzonakalisile iinqaba zakho.

19Yima ngasendleleni, ubonisele, mmi waseArohere; buza kwindoda esabileyo nakwintokazi esindileyo; yithi, Kukho ntoni na?

20UMowabhi uhlazekile, ngokuba uqhiphuke umbilini; bhombolozani nikhale; xelani eArnon, nithi, Ubhuqiwe uMowabhi.

21Umgwebo ulifikele ilizwe lehewu, iHolon neYatsa neMefahati;

22neDibhon, neNebho, neBhete-dibhelatayim;

23neKiriyatayim, neBhete-gamuli, neBhetemehon;

24neKeriyoti, neBhotsera, nemizi yonke yelizwe lakwaMowabhi, ekude kwanekufuphi.

25Luxakaxiwe uphondo lukaMowabhi, ingalo yakhe yaphulwe; utsho uYehova.

26Mnxiliseni, ngokuba ezikhulisile kuYehova; akhahlelèke uMowabhi emhlanzweni wakhe, abe yintlekisa naye.

27Wayengeyintlekisa na kuwe uSirayeli? Wayefunyenwe phakathi kwamasela, kusini na, ukuba ùhlunguzele intloko, xa sukuba ubuthetha ngaye?

28Shiyani imizi, nihlale ezingxondorheni, bemi bakwaMowabhi, nibe njengevukuthu elakhela phesheya, eludinini lomwonyo.

29Silivile ikratshi likaMowabhi. Asikuko nokuba likratshi: ukuzidla kwakhe, ikratshi lakhe, ukukratsha kwakhe, nokuphakama kwentliziyo yakhe.

30Mna ndiyakwazi ukuphuphuma komsindo wakhe, nokuphololoza kwakhe into engeyiyo; utsho uYehova; benza into engekhoyo.

31Ngako oko ndiyabhomboloza ngenxa kaMowabhi, ndikhale ngenxa kaMowabhi wonke ephela; bayancwina ngenxa yamadoda aseKir-heres.

32Ngaphezu kokulila kweYazere ndiya kulìlela wena, mdiliya waseSibhema, omasebe awela ulwandle, ada aya kufika elwandle lwaseYazere; ekuvunweni kweziqhamo nasekuvunweni kweediliya zakho kugaleleke umbhuqi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Isukile imivuyo nemigcobo entsimini echumayo, naselizweni lakwaMowabhi; ndiyiphelisile iwayini emkhombeni; àbayi kuxovula benamayeyeye; amayeyeye abo aya kuba ngamayeyeye angelutho.

34Ukukhala eHeshbhon kuse e-Elale, kuse eYahazi; balikhuphile izwi labo, kuthabathele eTsohare kwesa eHoronayim, nase-Egelati yesithathu; ngokuba kwanamanzi aseNimrim aya kuthi qoko.

35Ndiya kumphelisa kwaMowabhi, utsho uYehova, onyuka isigànga ukuba aqhumisele koothixo bakhe.

36Ngako oko intliziyo yam iyalila njengogwali ngenxa kaMowabhi; intliziyo yam iyalila njengogwali ngenxa yamadoda aseKir-heres; ngako oko indyebo ababeyizuzile itshabalele.

37Kuba zonke iintloko zigugulwe, zonke iindevu zichetyiwe; ezandleni zonke ziintlanga, ezinqeni ziingubo ezirhwexayo.

38Phezu kwezindlu zonke zakwaMowabhi nasezitratweni zakhe kukumbambazela kodwa; ngokuba ndimaphule uMowabhi njengesitya esingananziweyo; utsho uYehova.

39Bayabhomboloza; hayi, ukuqhiphuka kwakhe umbilini! Hayi, ukunikela kukaMowabhi ikhosi kukudana! Úyintlekisa, uyoyikwa ngabo bonke abangeenxa zonke kuye.

40Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Uyabona, utshaba luyatshwebeleza njengexhalanga, lolule amaphiko alo phezu koMowabhi.

41Ithinjiwe iKeriyoti, zihluthiwe iimboniselo. Ngaloo mini intliziyo yamagorha akwaMowabhi iya kuba njengentliziyo yomfazi onenimba; atshabalale uMowabhi,

42angabi ngabantu, ngokuba ebezikhulisile kuYehova.

43Ùfikelwe lunkwantyo, nomgongxo, nesibatha, mmi wakwaMowabhi; utsho uYehova.

44Osaba unkwantyo uya kweyela emgongxweni; ophuma emgongxweni uya kubanjiswa sisibatha; ngokuba ndiya kumzisela yena uMowabhi umnyaka wokuvelelwa kwakhe; utsho uYehova.

45Phantsi komthunzi weHeshbhon kuya kuma abasabi abangenamandla; ngokuba kuya kuphuma umlilo eHeshbhon, nelangatye phakathi kwaSihon, udle ummandla wakwaMowabhi nokakayi lwabengxolo.

46Yeha, wena Mowabhi! Batshabalele abantu bakaKemoshe, ngokuba, oonyana bakho baya kuthatyathwa bethinjiwe, neentombi zakho zisiwe ekuthinjweni.

47Ke ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kukaMowabhi ekupheleni kwemihla; utsho uYehova. Uzé wafika apha umgwebo wakwaMowabhi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYeremiya 49

Isiprofeto sokuchasa uAmon

1Ngokusingisele koonyana baka-Amon, utsho uYehova ukuthi: USirayeli akananyana
na, akanandlalifa na? Yini na ukuba ukumkani wabo amdle ilifa uGadi, abantu babo
beme emizini yakhe?

2Ngako oko, yabonani, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kuhlaba umkhosi
wemfazwe kwiRabha yoonyana baka-Amon, ibe ngumwewe wenxuwa, amagxamesi
ayo atshiswe ngomlilo, uSirayeli abadle ilifa ababemdle ilifa; utsho uYehova.

3Bhomboloza, Heshbhon, ngokuba ibhuqiwe iAyi; khalani, magxamesi aseRabha,
bhinqani ezirhwexayo; mbambazelani niququzele kunye ezintangweni; ngokuba
ukumkani wayo uya kuthinjwa, kunye nababingeleli bakhe nabathetheli bakhe.

4Ùqhayiselani na ngazo iintili? Intili yakho ichumile, ntombi iliphamba, yakholosayo
ngobuncwane bayo, isithi, Ndiya kuzelwa ngubani na?

5Yabona, ndiya kukuzisela unkwantyo, itsho iNkosi, uYehova wemikhosi, luphuma
kwabangeenxa zonke kuwe; nigxòthwe, elowo angabheki nokubheka, kungabikho
ungàbabuthayo abaphalaphalayo.

6Emveni koko ndiya kukubuyisa ukuthinjwa koonyana baka-Amon; utsho uYehova.

Isiprofeto sokuchasa uEdom

7Ngokusingisele kuEdom, utsho uYehova wemikhosi ukuthi: Akusekho bulumko na
kwaTeman? Liphelile na icebo kwiingqondi? Buphalele na ubulumko bazo?

8Sabani, jikani, hlalani enkolontyweni, bemi bakwaDedan; ngokuba ukusindeka
kwakhe uEsawu ndimzisele, ixesha lokumvelela kwam.

9Ukuba abavuni beediliya bakufikele, abayi kushiya lubhikico; ukuba amasela eza
ebusuku, aya konakalisa ade anele.

10Ngokuba mna ndimhlubile uEsawu, ndizityhilile iindawo zakhe ezisitheleyo, angabi
nako ukuzímela. Imbewu yakhe iya kubhuqwa, abazalwana bakhe nabamelwane
bakhe àbakho.

11Shiya iinkedama zakho; ndiya kuziphilisa, bakholòse ngam abahlolokazi bakho.

12Ngokuba utsho uYehova ukuthi, Yabona, ababengenalungelo lakuyisela indebe,
inene baya kuyisela; wena ke ùngoya kuba msulwa, ube msulwa na? Akuyi kuba
msulwa, ngokuba inene uya kusela.

13Ngokuba ndizifungile mna, utsho uYehova, ndathi, IBhotsera iya kuba
ngummangaliso, nesingcikivo, nenxuwa, nentshabhiso; nemizi yayo yonke ibe
ngamanxuwa angunaphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ndivé udaba luphuma kuYehova, kuthunywe isigidimi ezintlangeni sokuthi,
Zihlanganiseni, nimfikele, nisuke nilwe.

15Ngokuba, uyabona, ndikwenzé wamncinane ezintlangeni, wadeleka phakathi
kwezizwe.

16Ukududuzelisa kwakho kukulukuhlile, ukukhukhumala kwentliziyo yakho, wena
uhleli ezimfanteni zengxondorha, wena ubambe intlomo yenduli. Ngokuba ùthe
wayakhela phezulu njengexhalanga indlu yakho, ndokuthoba apho; utsho uYehova.

17Úya kuba ngummangaliso uEdom; bonke abadlula kuye baya kumangaliswa, benze
umsondlo, ngenxa yokubethwa kwakhe konke.

18Njengoko kwaba njalo ekubhukuqekeni kweSodom neGomora nemimelwane yayo,
utsho uYehova, akuyi kuhlala mntu khona, akuyi kuphambukela nyana womntu
khona.

19Yabona, utshaba luya kunyuka njengengonyama ephuma ekweneni kweYordan,
luye ekhayani eliyingxondorha; ngokuba ndiya kumgxotha ngephanyazo kulo;
osukuba enyuliwe, ndimenzele umveleli; ngokuba ngubani na onjengam? ngubani na
oya kundimema? ngubani na loo malusi uya kuma phambi kwam?

20Ngako oko yivani icebo likaYehova, alicebileyo ngoEdom, neengcinga zakhe,
azicingileyo ngabemi bakwaTeman; inene, baya kuzikrwiqiliza ezincinane zomhlambi;
inene, liya kumangaliswa zizo ikriwa lazo.

21Ihlabathi liyanyikima sisithonga sokuwa kwabo; isandi sokukhala kwabo sivakala
eLwandle oluBomvu.

22Yabona, utshaba luyanyuka njengexhalanga, lutshwebeleza, luwolule amaphiko alo
phezu kweBhotsera; intliziyo yamagorha ekwaEdom ngaloo mini iya kuba
njengentliziyo yomfazi onenimba.

Isiprofeto sokuchasa iDamasko

23Ngokusingisele kwiDamasko: Ihlazekile iHamati neArpadi; ngokuba kuviwe iindaba
ezimbi; bancamile; njengaselwandle, banesithukuthezi, abanako ukuzola.

24IDamasko ithe dakumba, ijikile yasaba; ifikelwe kukothuka, ibanjwe yimbandezelo
nayinimba njengozalayo.

25Hayi, ukushiywa komzi wendumiso, umzi wemihlali yam!

26Ngako oko aya kuwa amadodana ayo ezitratweni zawo, amadoda onke okulwa athi
shwaka ngaloo mini; utsho uYehova wemikhosi.

27Ndiya kuphemba umlilo eludongeni lweDamasko, udle iingxande ezinde zikaBhen-
hadade.

Isiprofeto sokuchasa ezinye izizwe ezahlukahlukeneyo

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Ngokusingisele kumaKedare, nakwizikumkani zaseHatsore, awazibulalayo uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, utsho uYehova ukuthi: Sukani nime, nyukani niye kumaKedare, nibabhuqe abasempumalanga.

29Iintente zabo nemihlambi yabo boyithabatha; namalengalenga abo, neempahla zabo zonke, neenkamela zabo, bozisusa zibe zezabo; bamemeze kubo, bathi, Kukunxunguphala ngeenxa zonke.

30Sabani, balekani kakhulu, hlalani enkolontyweni, bemi baseHatsore, utsho uYehova; ngokuba uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli ecebe icebo ngani, wacinga ingcinga ngani.

31Sukani nime, nyukani niye kuhlanga oluchulumachileyo, oluhleli lukholosile, utsho uYehova; uhlanga olungenazingcango namivalo, oluhleli lodwa.

32Iinkamela zabo maziphangwe, ingxokolo yemfuyo yabo ibe ngamaxhoba, ndibachithachithe kwimimoya yonke onquthula-iinwele, ndibazisele ukusindeka, kuphuma kumacala onke; utsho uYehova.

33IHatsore iya kuba sisikhundla seempungutye, kube senkangala kude kuse ephakadeni. Akuyi kuhlala bani khona, kungaphambukeli nyana womntu khona.

34Into eyafikayo kuYeremiya umprofeti, ililizwi likaYehova ngokusingisele kwelakwaElam ekuqaleni kobukumkani bukaZedekiya ukumkani wakwaYuda, yayisithi:

35Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Yabonani, ndiyasaphula isaphetha sakwaElam, intlahlela yobugorha babo;

36ndiya kulizisela elakwaElam imimoya eminé ephuma eziphelweni eziné zezulu, ndibachithachithe kuloo mimoya yonke, kungabikho luhlanga bangayi kufika kulo abaziindlodlo zakwaElam.

37Ndomqhiphukisa umbilini uElam phambi kweentshaba zakhe, naphambi kwabafuna imiphefumlo yabo; ndibazisele ububi, ukuvutha komsindo wam; utsho uYehova. Ndothuma emva kwabo ikrele, ndide ndibagqibe,

38Ndiya kumisa itrone yam kwaElam, ndimtshabalalise khona ukumkani nabathetheli; utsho uYehova.

39Kuya kuthi ke ekupheleni kwemihla, ndikubuyise ukuthinjwa kukaElam; utsho uYehova.

UYeremiya 50

Isiprofeto sokuchasa iBhabheli

1Ilizwi awalithethayo uYehova ngokusingisele kwiBhabheli, ngokusingisele kwilizwe lamaKaledi, ngoYeremiya umprofeti, lalisithi:

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Xelani ezintlangeni, nivakalise, niphakamise ibhanile. Vakalisani, musani ukufihla;
yithini, Ithinjiwe iBhabheli, uhlazekile uBhele, uqhiphuke umbilini uMerodaki,
zihlazekile izithixo zabo, ziqhiphuke umbilini izigodo zabo.

3Ngokuba kunyuke kweza kubo uhlanga lwasentla, oluya kwenza ilizwe labo kube
senkangala, lingabi nammi, kuthabathele emntwini kuse ezinkomeni, kubalekwe
kumkiwe.

4Ngaloo mihla nangelo xesha, utsho uYehova, baya kuza oonyana bakaSirayeli kunye
noonyana bakaYuda, behamba belila, baye bamquqele uYehova uThixo wabo.

5Baya kubuza iZiyon, babheke khona, besithi, Yizani, nithelele kuYehova
ngomnqophiso ongunaphakade ongayi kulityalwa.

6Abantu bam bába ngumhlambi weegusha ezilahlekileyo; abalusi babo
babandwendwisela ezintabeni eziphambanisayo, behamba besuka entabeni, baye
endulini, bayilibale indawo yabo yokubutha kwabo.

7Bonke ababafumanáyo babadla; ababandezeli babo bathi, Asinatyala, ngethuba
lokuba bonile kuYehova, ikriwa lobulungisa, ithemba loyise, uYehova.

8Balekani, niphume phakathi kweBhabheli; mabaphume ezweni lamaKaledi, babe
njengeenkunzi zeebhokhwe ezikhokela umhlambi.

9Ngokuba, yabonani, ndixhoxha, ndinyuse, ndise eBhabheli isikhungu seentlanga
ezinkulu, ziphuma ezweni lasentla, ziyakhéle uluhlu. Iya kuthinjwa apho, iintolo zaso
zibe njengezegorha eliligcisa, elingabuyi lilambatha.

10Loba lixhoba elamaKaledi; bonke abalithimbayo baya kuhlútha; utsho uYehova.

11Nàkuba nivuya njalo, nàkuba nidlamkile, baphangi belifa lam, nàkuba nidloba
njengethokazi elibhulayo, nilila njengeembalasane zamahashe:

12úya kudana kakhulu unyoko; úya kuba neentloni onizalayo. Yabonani, olokugqibela
ezintlangeni luya kuba yintlango, umqwebedu, inkqantosi.

13Ngenxa yoburhalarhume bukaYehova ayisayi kumiwa; kuya kuba senkangala kuyo
yonke iphela. Bonke abadlulayo eBhabheli baya kumangaliswa, benze umsondlo
ngenxa yokubethwa kwayo konke.

14Yakheleni uluhlu iBhabheli ngeenxa zonke, nonke batyedi besaphetha; tolani kuyo,
ningashiyi lutolo; ngokuba yonile kuYehova.

15Dumani ngayo ngeenxa zonke; iziníkele; ziwile iingqoqo zayo, zidilikile iindonga
zayo; ngokuba yimpindezelo kaYehova. Phindezelani kuyo; njengokwenza kwayo,
yenzani kuyo.

16Nqumlani umhlwayeli eBhabheli, nophethe irhengqa ngexesha lokuvuna. Ngenxa
yekrele elidlavulayo elowo ubheka ebantwini bakowabo, elowo usabela ezweni
lakowabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Úyigusha elusali uSirayeli; ubhejethwe ziingonyama. Ngukumkani waseAsiriya owaqala wamdla; ngoku, owokugqibela umqobi wamathambo akhe nguNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli.

18Ngako oko, utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Yabonani, ndiyamvelela ukumkani waseBhabheli nelizwe lakhe, njengoko ndamvelelayo ukumkani waseAsiriya.

19Ndiya kumbuyisela uSirayeli ekriweni lakhe, adle eKarmele naseBhashan, uhluthe umphefumlo wakhe ezintabeni zakwaEfrayim nezaseGiliyadi.

20Ngaloo mihla nangelo xesha, utsho uYehova, buya kufunwa ubugwenxa bukaSirayeli, bungabikho; nezono zikaYuda zingafumaneki; ngokuba ndiya kubaxolela endibasalisileyo.

21Ilizwe lakwaNkani-ziphindwe-kabini, nyuka uye kulo kanye, kubemi belakwaKohlwaywa; bharhisa usingele phantsi emva kwabo, utsho uYehova; wenze ngako konke endakuwisela umthetho ngako.

22Isithonga semfazwe siselizweni, nokwaphuka okukhulu.

23Hayi, ukuxakaxwa, ukwaphulwa kwesando sehlabathi lonke! Hayi, ukwenziwa kweBhabheli ummangaliso phakathi kweentlanga!

24Ndikuthiyéle, wabanjiswa nokubanjiswa, Bhabheli, ungâzi ke wena; ùfunyenwe, wathinjwa nokuthinjwa, ngokuba ulwe noYehova.

25UYehova uyivulile indlu yezixhobo zakhe, wazikhupha iimpahla zokubhavuma kwakhe; ngokuba inomsebenzi iNkosi, uYehova wemikhosi, ezweni lamaKaledi.

26Yizani kulo, nivale ngeenxa zonke; vulani amaqonga alo; lifumbeni ngokwezidimbilili, nilisingele phantsi, kungasali nento kulo.

27Hlabani zonke iinkunzi zalo ezintsha zeenkomo; mazithotyelwe ekuxhelweni. Yeha ke bona! Ngokuba iyeza imini yabo, ixesha lokuvelelwa kwabo.

28Phulaphulani! Nabó abasabàyo, abasindàyo ezweni laseBhabheli, ukuba baxele eZiyon impindezelo kaYehova uThixo wethu, impindezelo yetempile yakhe.

29Bahlabeleni umkhosi abatoli, beze eBhabheli, bonke abatyedi besaphetha; yingqingeni ngeenxa zonke. Makungabikho usindayo; yivuzeni ngokomsebenzi wayo; ngako konke eyakwenzayo, yenzani ngako kuyo; ngokuba ikhukhumele kuYehova, koyiNgcwele kaSirayeli.

30Ngako oko aya kuwa ezitratweni zayo amadodana ayo, athi shwaka ngaloo mini onke amadoda ayo okulwa; utsho uYehova.

31Yabona, ndikuchasile, wena ukhukhumeleyo, itsho iNkosi uYehova wemikhosi; ngokuba ifikile imini yakho, ixesha lokukuvelela kwam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Wókhubeka okhukhumeleyo, awe, kungabikho umvusayo; ndiphèmbe umlilo emizini yakhe, utshe ngeenxa zonke kuye.

33Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Babecudiswa oonyana bakaSirayeli noonyana bakaYuda kunye; bonke ababathimbáyo bayagcinisa ukubabamba, àbavumi ukubandulula.

34UMkhululi wabo obamiselayo womelele, ugama lakhe linguYehova wemikhosi; uya kubambana abambane nobambana nabo, ukuze aliphumze ihlabathi, agungqise abemi baseBhabheli.

35Ikrele maliwafikele amaKaledi, nabemi baseBhabheli, nabathetheli bayo, nezilumko zayo; utsho uYehova.

36Ikrele malibafikele abaphololozi bento engeyiyo, babe zizimathane; ikrele maliwafikele amagorha, aqhiphuke umbilini.

37Ikrele maliwafikele amahashe ayo, neenqwelo zayo zokulwa, nomxukuxela wonke ophakathi kwayo, babe ngabafazi; ikrele malibufikele ubuncwane bayo, ukuba buphangwe.

38Ukubálela makuwafikele amanzi ayo, ukuba atshe. Ngokuba lilizwe lemifanekiso eqingqiweyo; bazigezisé ngezinto ezothusayo.

39Ngako oko kuya kuhlala khona amarhamncwa omqwebedu neempungutye, kuhlale iinciniba khona, lingabi samiwa naphakade, lingabi sahlalwa izizukulwana ngezizukulwana.

40Njengoko wayibhukuqayo uThixo iSodom neGomora, nemimelwane yayo, utsho uYehova, akuyi kuhlala bani khona, akuyi kuphambukela nyana womntu khona.

41Yabonani, kuza abantu, bevela entla, uhlanga ke olukhulu; nookumkani abaninzi bayaxhoxhwa, bevela eziphelweni zehlabathi.

42Baphethe isaphetha nenkcula, bazizijorha, àbanamfesane; ilizwi labo liguguma njengolwandle, bakhwéle emahasheni, bekuxhobele njengendoda yokulwa, ntombi iyiBhabheli.

43Úvé iindaba zabo ukumkani waseBhabheli, zasuka zawa izandla zakhe; imbandezelo imbambile, uyazibhijabhija njengozalayo.

44Yabonani, utshaba luya kunyuka njengengonyama, luphume ekweneni kweYordan, luye ekhayeni eliyingxondorha; ngokuba ndiya kumgxotha ngephanyazo kulo, osukuba enyulwe, ndimenzele umveleli walo; ngokuba ngubani na onjengam? ngubani na oya kundimema? ngubani na loo malusi uya kuma phambi kwam?

45Ngako oko, liveni icebo likaYehova, alicebileyo ngeBhabheli, neengcinga zakhe, azicingileyo ngelizwe lamaKaledi; esithi, Inene, baya kuzikrwiqiliza ezincinane zomhlambi; inene, liya kumangaliswa zizo ikriwa lazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

46Ngenxa yelizwi elithi, Ibanjiwe iBhabheli, liyanyikima ihlabathi; kuvakala isikhalo ezintlangeni.

UYeremiya 51

1Utsho uYehova ukuthi, Yabonani, ndixhoxhela iBhabheli, nabahleli ngaphakathi kwabasukela phezulu kum, umoya womonakalisi.

2Ndiya kuthumela eBhabheli abasemzini, abaya kuyela; balithi qongqololo ilizwe layo; ngokuba boyifikela ngeenxa zonke ngemini yobubi.

3Umtyedi wesaphetha makagobele kogobayo, nakozinyusayo, enengubo yentsimbi, ningawayeki amadodana ayo; singelani phantsi wonke umkhosi wayo;

4bawé ababuleweyo ezweni lamaKaledi, nabahlatywe amahlanza ezitratweni zayo.

5Ngokuba uSirayeli, kwanoYuda, akashiywanga wangumhlolokazi nguThixo wakhe, nguYehova wemikhosi; kuba ilizwe labo lizele lityala koyiNgcwele kaSirayeli.

6Sabani niphume eBhabheli, nisize elowo umphefumlo wakhe; maningadaki ngenxa yobugwenxa bayo; ngokuba eli lixesha lempindezelo kuYehova; uya kubuyekeza kuyo kwaimpatho yayo.

7IBhabheli ibé iyindebe yegolide esandleni sikaYehova, ilinxilisa lonke ihlabathi; zasela iintlanga ewayinini yayo. Ngako oko ziyageza iintlanga.

8Iwile iBhabheli ngesiquphe, yaphuka; bhombolozani ngenxa yayo; intlungu yayo yithabatheleni amafutha aqholiweyo, mhlawumbi ingápholiswa.

9Bathi, Siba ngàyinyanga iBhabheli, ayiphili; yishiyeni, sihambe siye elowo ezweni lakowabo; ngokuba ityala layo lifike emazulwini, liphakamele esibhakabhakeni.

10UYehova ubuvelisile ubulungisa bethu; yizani sibalise eZiyon isenzo sikaYehova uThixo wethu.

11Khazimlisani iintolo, qubulani amakhaka; uYehova uxhoxhe umoya wokumkani bamaKaledi. Ngokuba umnkqangiyelo wakhe ukwiBhabheli, ukuba ayonakalise; ngokuba yimpindezelo kaYehova, yimpindezelo yetempile yakhe.

12Ziphakamiseleni ibhanile iindonga zaseBhabheli. Qinisani ukulinda, misani abalindi, lungisani imilalela; ngokuba njengoko uYehova wankqangiyelayo, ukwenzile awakuthethayo ngabemi baseBhabheli.

13Wena uhleliyo phezu kwamanzi amaninzi, ubuncwane bakho buninzi; kufikile ukuphela kwakho, isilinganiselo senzuzo yakho embi.

14UYehova wemikhosi ufunge umphefumlo wakhe, esithi, Noko ndikuzalisileyo ngabantu, banga ziinkumbi ezinqunquthayo, kuya kususelwa ngawe ukwenziwa amayeyeye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ngulowenza ihlabathi ngamandla akhe, ngulozinzisa elimiweyo ngobulumko bakhe, waneka izulu ngengqondo yakhe.

16Kwakubon' ukuba kukho isithonga sokwenza kwakhe ingxolo yamanzi ezulwini, unyusa amafu esiphelweni sehlabathi; imvula uyenzela imibane, arhole umoya koovimba bakhe.

17Uba sisityhakala wonke umntu engenakwazi, udaniswa wonke umnyibilikisi wegolide, ngenxa yomfanekiso oqingqiweyo; ngokuba umfanekiso wakhe otyhidiweyo bubuxoki, awunamoya.

18Zingamampunge ezo zinto, sisenzo sokugxekwa; ngexesha lokuvelelwa kwazo ziya kutshabalala.

19Àkanjalo yena uSahlulelo sikaYakobi; ngokuba nguMbumbi wezinto zonke yena, nowesizwe selifa lakhe yena; nguYehova wemikhosi, igama lakhe.

20Wena ùsisixengxe sam, usisikrweqe sam sokulwa. Ndiya kuzihlekeza ngawe iintlanga, ndizonakalise ngawe izikumkani;

21Ndihlekèze ngawe ihashe nomkhweli walo; ndihlekeze inqwelo yokulwa nomkhweli wayo;

22ndihlekeze ngawe indoda nomfazi, ndihlekeze ngawe indoda enkulu nomfana, ndihlekeze ngawe amadodana nomthinjana;

23ndihlekeze ngawe umalusi nomhlambi wakhe; ndihlekeze ngawe umlimi nesipani sakhe; ndihlekeze ngawe amabamba neerhuluneli.

24Ndobuyekekeza kwiBhabheli, nakubeni bonke belamaKaledi, bonke ababi babo, ababenzé kwiZiyon emehlweni enu; utsho uYehova.

25Yabona, ndikuchasile, ntaba yokonakalisa, utsho uYehova, elonakalisileyo lonke ihlabathi; ndiya kolula isandla sam phezu kwakho, ndikuqèngqe uhle ezingxondorheni, ndikwenze intaba etshisiweyo;

26kungàthatyathwa litye lambombo kuwe, nalitye laziseko; ke uya kwenziwa kube senkangala ngonaphakade; utsho uYehova.

27Phakamisani ibhanile elizweni, vuthelani isigodlo ezintlangeni; zingcwaliseni iintlanga kuyo, zihlabeleni umkhosi, zize kuyo izikumkani zeArarati neMini neAshkenazi; yalelani kuyo abathetheli; nyusani amahashe, eze njengeenkumbi ezinqunquthayo, ezibetha ube namanwele.

28Zingcwaliseni iintlanga kuyo, ookumkani bamaMedi, namabamba awo, neerhuluneli zawo zonke, nelizwe lonke lolawulo lwawo.

29Ihlabathi liyanyikima, liyazibhijabhija; ngokuba zenzeka kwiBhabheli iingcinga zikaYehova, zokulenza ilizwe leBhabheli kube senkangala, lingàmiwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Amagorha aseBhabheli ayekile ukulwa, ahleli ezimboniselweni; ubugorha bawo buthe qoko, asuka aba ngabafazi. Iminquba yayo ifakwe isikhuni, yaphukile imivalo yayo.

31Isigidimi siyagidima, siqubisana nesigidimi; umbiki uqubisana nombiki, abike kukumkani waseBhabheli ukuba umzi wakhe uthinjwe kwaphela.

32Amazibuko avingciwe, amadike atshé ngumlilo, amadoda okulwa akhwankqisiwe.

33Ngokuba utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, ukuthi, Intombi eyiBhabheli injengesandá ngexesha lokugangathwa kwaso; kusaya kuba ngumzuzwana, lifike ixesha lokuvuna kuyo.

34Wasibhubhisa thina, wasincinitha uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, wasibeka saba sisitya esizé; wasiginya njengengwenya, wahluthisa isisu sakhe ngokudla kwethu okumnandi, wasigxotha.

35Ukugonyamelwa kwam nenyama yam makube phezu kweBhabheli, makatsho ummi waseZiyon; igazi lam malibe phezu kwabemi belamaKaledi, mayitsho iYerusalem.

36Ngako oko utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndiyalithetha ityala lakho, ndiphindezèle impindezelo yakho, ndilutshise ulwandle lwayo, ndilomise ithende layo;

37iBhabheli iya kuba ngumwewe, isikhundla seempungutye, ummangaliso nomsondlo, ingabi nammi.

38Bonke bephela bangábharhula njengeengonyama ezintsha, bangávungama njengamathole engonyamakazi.

39Kanti ke ebushushwini babo ndiya kubenzela umgidi wabo, ndibanxilise, ukuze badlamke, balale ubuthongo obungunaphakade, bangavuki; utsho uYehova.

40Ndiya kubathobela ekuxhelweni njengamatakane, njengeenkunzi zeegusha nezeebhokhwe.

41Hayi, ukuthinjwa kweSheshaki, ukubanjwa kweqhayiya lehlabathi lonke! Hayi, ukwenziwa ummangaliso kweBhabheli phakathi kweentlanga!

42Ulwandle lunyukile, lwayizela iBhabheli; igutyungelwe kukuguguma kwamaza alo.

43Imizi yayo yaba ngamanxuwa, yaba lilizwe lomqwebedu nenkqantosi, lilizwe elingamiwe mntu, ekungadluli nyana womntu kulo.

44Ndiya kumvelela uBhele eBhabheli, ndikurhole emlonyeni wakhe akuginyileyo; zingabi sasinga kuye iintlanga; nodonga lweBhabheli luya kuwa.

45Phumani phakathi kwayo, bantu bam; sizani elowo umphefumlo wakhe, ngenxa yokuvutha komsindo kaYehova;

© 1975 Bible Society of South Africa.

46hleze ithambe intliziyo yenu, noyìke iindaba ezivakalayo ezweni. Ziya kuza
nomnyaka iindaba ezo, emveni koko ngomnye umnyaka kuze iindaba ezo, kuze
ugonyamelo ezweni, umlawuli ebambene nomlawuli.

47Ngako oko, uyabona, kuza imihla endiya kuyivelela imifanekiso eqingqiweyo
yaseBhabheli, libharhe ilizwe layo lonke, bawe phakathi kwayo ababuleweyo kuyo.

48Liya kumemelela ngenxa yeBhabheli izulu nomhlaba, nento yonke ekhona;
ngokuba ababhuqi baphume entla, beza kùyo; utsho uYehova.

49Njengokuba iBhabheli yaphikela ukuwisa ababuleweyo bakwaSirayeli, ngokunjalo
baya kuwa ngenxa yeBhabheli ababuleweyo behlabathi lonke.

50Nina nisindileyo ekreleni, hambani, musani ukuma. Mkhumbuleni uYehova
nisekude, ithi qatha ezintliziyweni zenu iYerusalem.

51Sìdanile, ngokuba sive isingcikivo; ihlazo lagubungela ubuso bethu; ngokuba
abasemzini bazingene iingcwele zendlu kaYehova.

52Ngako oko, yabonani, kuza imihla, utsho uYehova, endiya kuyivelela imifanekiso
eqingqiweyo elizweni layo, bancwine abahlatyiweyo.

53Nokuba iBhabheli ithe yenyuka yaya ezulwini, nokuba ithe yayinqabisa indawo
ephezulu, inqaba yayo, ababhuqi bayo baya kuphuma kum; utsho uYehova.

54Phulaphulani! Nako ukukhala kuphuma eBhabheli, nomaphulo omkhulu uphuma
ezweni lamaKaledi.

55Ngokuba uYehova uyayibhuqa iBhabheli, alitshabalalise kuyo izwi elikhulu;
aguguma amaza ayo njengamanzi amaninzi, kuvakala ingxolo yesandi sawo.

56Ngokuba umbhuqi uya kuyifikela iBhabheli, athinjwe amagorha ayo, ziqhawuke
izaphetha zayo; ngokuba nguThixo wembuyekezo uYehova, uya kuvùza evuzile.

57Ndiyabanxilisa abathetheli bayo nezilumko zayo, amabamba ayo neerhuluneli
zayo, namagorha ayo; aya kulala ubuthongo obungunaphakade, angavuki: utsho
uKumkani, ogama lakhe linguYehova wemikhosi.

58Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Iindonga ezibanzi zeBhabheli ziya kunqikwa
kube kanye, amasango ayo aphakamileyo atshiswe ngomlilo; izizwe zizixhamlele
okulambathayo, neentlanga zizixhamlele umlilo, zityhafe ke.

Ukuthunywa kukaSeraya

59Ilizwi awathi uYeremiya umprofeti wamwisela umthetho ngalo uSeraya, unyana
kaNeriya, unyana kaMaseya, ekuyeni kwakhe noZedekiya ukumkani wakwaYuda
eBhabheli, ngomnyaka wesiné wobukumkani bakhe; uSeraya lo engumtshayeleli.

60UYeremiya wabubhala encwadini bonke ububi obuya kuyifikela iBhabheli, onke la
mazwi abhaliweyo ngeBhabheli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

61Wathi ke uYeremiya kuSeraya, Wakufika eBhabheli, khangela onke la mazwi, uwalese.

62Uze uthi, Yehova, wena uthethile ngale ndawo ukuyinqumla, ingàmiwa, kuthabathele kumntu kuse nakwinkomo; ke yona iya kuba ngamanxuwa angunaphakade.

63Kothi, wakugqiba ukuyilesa le ncwadi, ubophe ilitye kuyo, uyinzulumbele esazulwini somEfrati;

64uthi, Iya kwenjenje iBhabheli ukuthi xumbu kwayo, ingaphumi, ngenxa yobubi endiya kuyizisela bona, batyhafe. Azé ema apha amazwi kaYeremiya.

UYeremiya 52

Isihlomelo sembali

1UZedekiya ubeminyaka imashumi mabini anamnye ezelwe, ukuba ngukumkani kwakhe; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani eYerusalem; igama lonina belinguHamutali, intombi kaYeremiya waseLibhena.

2Wenza okubi emehlweni kaYehova, njengako konke awakwenzayo uYehoyakim.

3Ngokuba ngenxa yomsindo kaYehova kwenzeka oko eYerusalem nakwaYuda, wada wabalahla ebusweni bakhe. UZedekiya wamana egwilika kukumkani waseBhabheli.

4Kwathi ngomnyaka wesithoba wobukumkani bakhe, ngenyanga yeshumi, ngosuku lweshumi enyangeni leyo, wayifikela iYerusalem uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, yena nempi yakhe yonke, wayirhawula, wayakhela inqaba yokubonisela ngeenxa zonke.

5Wangqingwa ke umzi, kwada kwaba ngumnyaka weshumi elinamnye wokumkani uZedekiya.

6Ngosuku lwesithoba lwenyanga yesiné, yaqina indlala phakathi komzi, ababa nasonka abantu belizwe.

7Wagqojozwa umzi; asaba onke amadoda okulwa, aphuma phakathi komzi ebusuku ngendlela yesango eliphakathi kweendonga zombini, elisemyezweni wokumkani (aye ke amaKaledi ewujikelezile umzi); ahamba ngendlela yaseArabha.

8Impi yamaKaledi yamsukela ukumkani, yamfumana uZedekiya ezinkqantosini zaseYeriko; yonke impi yakhe yamphalala, yemka kuye.

9Ambamba ukumkani, anyuka naye, amsa kukumkani waseBhabheli eRibhela ezweni leHamati; wawathetha apho amatyala akhe.

10Ukumkani waseBhabheli wabasikela oonyana bakaZedekiya emehlweni akhe; nabathetheli bonke bakwaYuda wabasikela eRibhela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Wamtyhaphaza amehlo uZedekiya, wamkhonkxa ngamakhamandela obhedu;
ukumkani waseBhabheli wamsa eBhabheli, wamfaka entolongweni kwada kwayimini
yokufa kwakhe.

12Ngenyanga yesihlanu, ngosuku lweshumi enyangeni leyo (lo mnyaka ke
ngoweshumi elineminyaka esithoba kakumkani uNebhukadenetsare ukumkani
waseBhabheli), wangena eYerusalem uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki, owema
phambi kokumkani waseBhabheli.

13Wayitshisa indlu kaYehova, nendlu yokumkani, nezindlu zonke zaseYerusalem;
izindlu zonke zezikhulu wazitshisa ngomlilo.

14Iindonga zonke zaseYerusalem ngeenxa zonke yazidiliza yonke impi yamaKaledi,
ebinomthetheli wabasiki.

15Kwizisweli zabantu, namasalela abantu ababesele phakathi komzi, namaphamba
awaphambelayo kukumkani waseBhabheli, namasalela engxokolo, wawafudusa
uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki.

16Ke uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki, wasalisa kwizisweli zelizwe, ukuze zibe
ngabasebenzi bemidiliya nabalimi.

17Iintsika zobhedu ezibe zisendlwini kaYehova, neenqwelwana, nolwandle lobhedu
obelusendlwini kaYehova, ezo zinto aziqhekeza amaKaledi, aluthwalela eBhabheli
lonke ubhedu lwazo.

18Athabatha neembiza, nemihlakulwana, nezitshetshe, nezitya zokutshiza,
neenkamba, neempahla zonke zobhedu ebekulungiselelwa ngazo.

19Umthetheli wabasiki wathabatha izidendeleko, neengcedevu, nezitya zokutshisa,
neembiza, neziphatho zezibane, neenkamba, namathunga, igolide kwezegolide,
isilivere kwezesilivere.

20Neentsika zombini, ulwandle olunye, neenkomo ezilishumi elinambini zobhedu
ezibe ziphantsi kwalo, neenqwelwana awazenzela indlu kaYehova uSolomon
ukumkani, alwaba nakulinganiswa ubhedu lwezo mpahla zonke.

21Neentsika ezo, ukuphakama kwenye intsika kube kuziikubhite ezilishumi
elinesibhozo; umtya oziikubhite ezilishumi elinambini ubuyithandela, nezinyuko zayo
beziyiminwe eminé; ibiholoholo.

22Ingqukuva yayo ibiyeyobhedu, ukuphakama kwengqukuva bekuziikubhite
ezintlanu; umnatha neerharnate bezisengqukuveni ngeenxa zonke; yonke loo nto
yabe ilubhedu. Intsika yesibini yabe ikwanjalo, kunye neerharnate.

23Iirharnate bezingamashumi asithoba anantandathu, zibheke emoyeni; iirharnate
zonke bezilikhulu phezu komnatha ngeenxa zonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Umthetheli wabasiki wamthabatha uSeraya umbingeleli oyintloko, noZefaniya umbingeleli weyesibini intlantlu, nabagcini-mnyango bobathathu.

25Kuwo umzi wathabatha umbusi wamnye, owayengumveleli wamadoda okulwa, namadoda asixhenxe kuwo abebona ubuso bokumkani, áwafunyanwa phakathi komzi; nombhali womthetheli womkhosi, obehlaba umkhosi kubantu belizwe, namadoda amashumi mathandathu kubantu belizwe, awafunyanwayo phakathi komzi.

26Wabathabatha abo uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki, wabása eRibhela, kukumkani waseBhabheli.

27Wabaxabela ukumkani waseBhabheli, wababulala eRibhela ezweni laseHamati. Afuduswa ke amaYuda emhlabeni wawo.

28Ngabo aba abantu awabafudusayo uNebhukadenetsare: ngomnyaka wesixhenxe, amaYuda angamawaka amathathu, anamanci mabini anamathathu;

29ngomnyaka weshumi elinesibhozo kaNebhukadenetsare kwafuduswa eYerusalem imiphefumlo yaba makhulu asibhozo, anamanci mathathu anamibini;

30ngomnyaka wamashumi amabini anamithathu kaNebhukadenetsare, uNebhuzaradan, umthetheli wabasiki, wafudusa amaYuda ayimiphefumlo emakhulu asixhenxe, anamanci mané anamihlanu. Yonke imiphefumlo yaba ngamawaka amané anamakhulu amathandathu.

31Kwathi ngomnyaka wamashumi omathathu anesixhenxe wokufuduswa kukaYehoyakim ukumkani wakwaYuda, ngenyanga yeshumi elinesibini, ngosuku lwamashumi omabini anesihlanu enyangeni leyo, uEvili-merodaki ukumkani waseBhabheli, ngomnyaka wokwenziwa kwakhe ukumkani, wayiphakamisa intloko kaYehoyakim ukumkani wakwaYuda, wamkhupha entolongweni.

32Wathetha naye kakuhle, wayimisa itrone yakhe, yaba ngaphezu kweetrone zabanye ookumkani ababenaye eBhabheli.

33Wazikhulula iingubo zakhe zobubanjwa; wamana ukudla isonka ebusweni bakhe yonke imihla yokuphila kwakhe.

34Umxhesho wakhe, umxhesho wamaxesha onke, wawunikwa, uvela kukumkani waseBhabheli, into yemini ngangemini yayo, kwada kwayimini yokufa kwakhe, yonke imihla yokuphila kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Izililo

Izililo 1

Isiphanziso seZiyon nomvandedwa wayo

1Yoo! Uhleli wodwa, umzi obantu baye bebaninzi; Obe umkhulu ezintlangeni Usuke waba njengomhlolokazi; umthethelikazi emazweni Usuke waba ngofakwa uviko.

2Ulila elilile ebusuku, iinyembezi zakhe zisezidleleni zakhe; Akanamthuthuzeli kuzo zonke izithandane zakhe; Onke amakholwane akhe ammenezelele, Aba lutshaba kuye.

3UYuda uye ekuthinjweni, ephuma ezintsizini nasezinkonzweni ezininzi; Yena uhleli ezintlangeni, akafumani kuphumla; Bonke abamsukelayo bamfikele ezingxingongweni.

4Iindlela zaseZiyon zenza isijwili, ngokungabikho kwabayà emithendelekweni; Onke amasango ayo akanamntu, ababingeleli bayo bayancwina; Iintombi zayo zinosizi, yona ke kukrakra kuyo.

5Ababandezeli bayo basuka bayintloko; iintshaba zayo zinobunqobo; Ngokuba uYehova uyenzé yanosizi ngenxa yokreqo lwayo oluninzi; Abantwana bayo bemkile, bathinjiwe, baqhutywa ngumbandezeli.

6Buphumile entombini enguZiyon bonke ubungangamsha bayo; Abathetheli bayo baba njengamaxhama angafumani dlelo, Ahamba engenamandla phambi komsukeli.

7IYerusalem iyazikhumbula, ngemini yeentsizi zayo neyokudinga kwayo, Zonke izinto zayo ezinqwenelekayo ebinazo kwakwiimini zamandulo, Ekuweni kwabantu bayo esandleni sombandezeli, ingenamncedi; Ababandezeli bayo báyibona, bakúhleka ukucinywa kwayo.

8IYerusalem asikuko nokuba yonile yona; ngenxa yoko yaba lubhorha; Bonke ababeyizukisa bayayicukuceza, ngokuba baboné ubuzé bayo; Nayo ngokwayo iyancwina, ibuye umva.

9Ubunqambi bayo busezingutyeni zayo ezirhuqayo, ayilikhumbulelanga ikamva layo; Yehla ke ngokubalulekileyo; ayinamthuthuzeli; Ithi, Zikhangele, Yehova, iintsizi zam; ngokuba utshaba luzikhulisile.

10Umbandezeli usolule isandla sakhe phezu kwezinto zayo zonke ezinqwenelekayo; Kuba ibona iintlanga zingené engcweleni yayo, Owawuwise umthetho wena, ukuba zingangeni ebandleni lakho.

11Bonke abantu bayo bayancwina, befuna isonka; Barholé izinto zabo ezinqwenelekayo ngenxa yesonka, ukuze bawubuyise umphefumlo; Bóna, Yehova, ukhangele, ukuba ndisuke ndacukucezeka.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

12Akunto na oku kuni nonke, nina nidlula ngendlela? Bhekani nibone, ukuba kukho
na umvandedwa onjengomvandedwa wam, endiwenziweyo, Athe uYehova
wandenza lusizi ngemini yokuvutha komsindo wakhe.

13Engaphezulu, uthumé umlilo emathanjeni am, wawanyathela; Uzanekele umnatha
iinyawo zam, wandibuyisa umva; Undenzé inxuwa, yonke imini ndityhafile.

14Idyokhwe yezikreqo zam ibotshwe sisandla sakhe; Zibhijelene, zenyuka zaba
semqaleni wam, zawakhubekisa amandla am; INkosi yam indinikele ezandleni zabo
ndingenakumisa kubo.

15INkosi yam izitshitshisile zonke iimbalasane zam eziphakathi kwam; Indimemele
umthendeleko, ukuba yaphule amadodana am. INkosi yam ixovule inkazana
enguYuda, ngokungathi kusesixovulweni sewayini.

16Ngenxa yezo zinto ndiyalila; iliso lam, iliso lam lihla amanzi, Ngokuba ekude kum
umthuthuzeli, umbuyisi womphefumlo wam; Baziimpanza abantwana bam, ngokuba
utshaba lwam lundoyisile.

17IZiyon iyazolula izandla zayo, ayinamthuthuzeli; UYehova ubawisele umthetho
ngoYakobhi, ukuba ababandezeli bakhe bamngqonge; IYerusalem iyinto elubhorha
phakathi kwabo.

18Úlilungisa uYehova; ngokuba bendiphikise umlomo wakhe. Khanive, nonke zizwe,
niwubone umvandedwa wam; Umthinjana wam namadodana am emke nokuthinjwa.

19Ndibizé izithandane zam, zandikhohlisa zona; Ababingeleli bam, namadoda
amakhulu akwam, aphume umphefumlo phakathi komzi, Xa abezifunela ukudla,
ukuba abuyise imiphefumlo yawo.

20Khangela, Yehova, ngokuba ndibandezelekile; izibilini zam ziyabila; Intliziyo yam
iphendukile phakathi kwam; ngokuba ndasuka ndaba ziinkani kuphela; Ngaphandle
ikrele landihlutha abantwana, ngaphakathi kwakukufa kodwa.

21Bandivile ukuba ndiyancwina; ndathi, Andinamthuthuzeli; Zonke iintshaba zam
zibuvile ububi bam; zinemihlali, ngokuba oko kwenziwé nguwe. Ùyayizisa imini
oyimemileyo, ziya kuba njengam ke.

22Mabufike phambi kwakho bonke ububi bazo, Uziphathe njengoko wandiphatha
ngako ngenxa yezikreqo zam zonke; Ngokuba kuninzi ukuncwina kwam, nentliziyo
yam ityhafile.

Izililo 2

Umvandedwa weZiyon ubangwa ngumsindo weNkosi

1Yoo! Itheni na iNkosi yam ukuyisibekela kangaka ngomsindo wayo intombi
enguZiyon? Isikhuphile ezulwini, yasikhahlela ehlabathini, isihombo sikaSirayeli,
Ayasikhumbula isihlalo seenyawo zayo ngemini yomsindo wayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2INkosi yam iwaginyile, ayawaconga, onke amakriwa akwaYakobi; Izigungxule
ngokuphuphuma komsindo wayo iinqaba ezinkulu zentombi enguYuda; Yazizisa
emhlabeni; Ibungcolisile ubukumkani nabathetheli babo.

3Izixakazile ngokuvutha komsindo wayo zonke iimpondo zikaSirayeli; Isibuyisé umva
isandla sayo sokunene ebusweni botshaba; Yatshisa kwaYakobi njengomlilo
olenyayo, odlayo ngeenxa zonke.

4Isityedile isaphetha sayo njengotshaba; imise isandla sayo sokunene, saxelisa
esombandezeli, Yazibulala zonke izinto ezinqwenelekayo emehlweni; Ententeni
yentombi enguZiyon, ibuphalazile ubushushu bayo njengomlilo.

5INkosi yam isuke yaba njengotshaba; imginyile uSirayeli, Iziginyile zonke iingxande
zayo ezinde, izonakalisile iinqaba zayo ezinkulu; Yandisa entombini enguYuda
uncwino nokukhala.

6Iyichithile indawo yayo ebiyiweyo njengomyezo; Iyitshabalalisile indawo yayo
yentlangano; UYehova wenzé walityalwa eZiyon umthendeleko nesabatha;
Wabagiba ekubhavumeni komsindo wakhe ukumkani nombingeleli.

7INkosi yam isihlambele isibingelelo sayo, ithe nèthe kuyo ingcwele yayo,
Izivingcelele esandleni sotshaba iindonga zeengxande zayo ezinde; Baxokozela
endlwini kaYehova njengemini yomthendeleko.

8UYehova ucingé ukonakalisa udonga lwentombi enguZiyon; Wolulé ulutya
lokulinganisela, àkasibuyisa isandla sakhe ekuginyeni; Wenza ungqameko lomsele
lwaba nesijwili, kwanodonga; zithokombisile kunye ezo zinto.

9Amasango ayo atshonile emhlabeni; úyitshabalalisile, uyaphule imivalo yayo;
Ukumkani wayo nabathetheli bayo basezintlangeni, akukho myalelo; Abaprofeti bayo
abafumani mbono kuYehova.

10Ahleli emhlabeni ethe cwaka amadoda amakhulu entombi enguZiyon; Azigalele
ngomhlaba entloko, abhinqe ezirhwexayo; Úzithòbele emhlabeni iintloko zawo
umthinjana waseYerusalem.

11Amehlo am aphela ziinyembezi, ziyabila izibilini zam, Isibindi sam siphalele
emhlabeni, ngenxa yokwaphuka kwentombi yabantu bakowethu, Ngokutyhafa
kwabantwana, nabasemabeleni, ezitratweni zomzi.

12Bamana ukuthi koonina, Iphi na ingqolowa newayini? Ekutyhafeni kwabo
njengabangxwelerhiweyo ezitratweni zomzi, Ekuziphalazeni kwemiphefumlo yabo
esifubeni sonina.

13Ndíkungqinele, ngantoni na? Ndíkufànekise nantoni na, ntombi yaseYerusalem?
Ndíkulingànise nantoni na, ukuze ndikuthuthuzele, ntombindini iyintombi,
inguZiyon? Ngokuba kukhulu ngangolwandle ukwaphuka kwakho; ngubani na
onokukuphilisa?

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Abaprofeti bakho bakubonele imibono yento engento nejavujavu; Àbabutyhila ubugwenxa bakho, ukuba kubuyiswe ukuthinjwa kwakho; Bakubonéle imibono ezizihlabo ezingezizo, nezokugxothwa.

15Bàbetha izandla ngawe bonke abadlula ngendlela; Benza umsondlo, bahlunguzele iintloko ngentombi enguYerusalem, besithi, Nguló mzi na, lo kuthiwa kuphela kwenzwakazi, yimihlali yehlabathi lonke?

16Zonke iintshaba zakho zikwakhamisela umlomo; Zenza umsondlo, zitshixizela amazinyo; zithi, Siyiginyile; Inene, yiyo le imini ebe siyithembile; siyifumene, siyibonile.

17Ukwenzile uYehova abekunkqangiyele; Ulizalisile ilizwi lakhe, abeliwisele umthetho kususela kwiimini zamandulo; Ugungxule, àkaconga; Wenzé lwakuvuyelela utshaba lwakho, Uphakamisé uphondo lwababandezeli bakho.

18Intliziyo yabo ikhala eNkosini yam; Lùdonga lwentombi enguZiyon, mazihle iinyembezi njengomlambo imini nobusuku; Musa ukuyeka, malungaphezi ukhozo lweliso lakho.

19Vuka, uhlahlambe ebusuku, ekuqalekeni kwemilindo; Yiphalaze njengamanzi intliziyo yakho ebusweni beNkosi; Ziphakamisele kuyo izandla zakho, ngenxa yomphefumlo wabantwana bakho, Abatyhafileyo kukulamba ekujikeni kwezitrato zonke.

20Bóna, Yehova, ukhangele, ngubani na lo wènjénje ukumphatha kakubi? Abafazi bangádla isiqhamo somzimba wabo na? Badlè abantwana ababathantamisayo na? Angábulawelwa engcweleni yeNkosi na umbingeleli nomprofeti?

21Balele emhlabeni phandle oyinkwenkwe noyindoda enkulu; Umthinjana wam namadodana am awile likrele; Ùbulele ngemini yomsindo wakho, usikile, akwaconga.

22Ùkumemile ngokwemini yomthendeleko ukunxunguphala kwam ngeenxa zonke, Akwabakho usindayo, usalayo, ngemini yomsindo kaYehova. Endibathantamisileyo ndabakhulisa, utshaba lwam lubagqibele.

Izililo 3

IZiyon inethemba lenceba kaThixo

1Ndim indoda eboné iintsizi, ngentonga yokuphuphuma komsindo wakhe.

2Úndikhokele wandihambisa ebumnyameni, akwaba sekukhanyeni.

3Úbuyé wasiguqulela kum ndedwa isandla sakho imini yonke.

4Úyonakalisile inyama yam nolùsu lwam; uwaphule amathambo am.

5Úndakhele wandirhaqa ngenyongo nendiniso.

6Úndibele ezindaweni ezimnyama, njengabafe ngonaphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Úndibiyele ngeenxa zonke, andinakuphuma; uwenze aba nzima amakhamandela am obhedu.

8Noko ndikhalayo, ndizibikayo, uyawuvingcela umthandazo wam.

9Úzibiyele iindlela zam ngamatye aqingqiweyo, uzenzé goso iingqushu zam.

10Kum úyibhere elalelayo, úyingonyama esezintsithelweni.

11Úzityekisile iindlela zam, wandidlavula; undenzé inxuwa.

12Úsigobile isaphetha sakhe, wandimisa ndaba yitekeni yotolo lwakhe.

13Úzise ezintsweni zam iintolo zomphongolo wakhe.

14Ndisuke ndayintlekisa kubantu bonke bakowethu; ndiyingoma yabo imini yonke.

15Úndihluthise ngeento ezikrakra, wandiseza ndahlutha umhlonyane.

16Úwaphule ngohlalu amazinyo am; undixinzelele phantsi eluthuthwini.

17Ùwuhlambile umphefumlo wam, awaba naluxolo; ndiyilibele into elungileyo.

18Ndathi, aphelile amandla am, nokulinda kwam kuYehova.

19Zíkhumbule iintsizi zam, nokutshutshiswa kwam, umhlonyane nenyongo.

20Umphefumlo wam uyazikhumbula unangoku ezo zinto, usibekekile kum.

21Oko ndikunyamekèle ngentliziyo: ngenxa yoko ndilindile.

22Kungeenceba zikaYehova le nto singagqityelwanga, ngokuba azipheli iimfesane zakhe.

23Zintsha imisó ngemisó; kukhulu ukuthembeka kwakhe.

24Isabelo sam nguYehova, utsho umphefumlo wam; ngenxa yoko ndilindele kuye.

25UYehova ulungile kwabathembele kuye, kumphefumlo omquqelayo.

26Kulungile ukuba umntu alulindele, ethe cwaka, usindiso lukaYehova.

27Kuyilungele indoda ukuba iyithwale idyokhwe kwasebutsheni bayo.

28Mayihlale yodwa ithe cwaka, xa iyithwalisiweyo.

29Mayiwubeke eluthulini umlomo wayo; kungábakho ithemba mhlawumbi.

30Mayisinikele isidlele sayo koyibethayo; mayihlùthe yingcikivo.

31Ngokuba iNkosi yam ayiyi kumhlamba umntu ngonaphakade,

32Ngokuba naxa imhlisele usizi, noko yoba nemfesane ngokobuninzi benceba yayo.

33Ngokuba ayibacinezeli ngokuphuma entliziyweni yayo, ibènze babe nosizi oonyana babantu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Ekutyunyuzweni kwababanjiweyo bonke behlabathi phantsi kweenyawo;

35Ekulijikeni ityala lomfo phambi kobuso bOsenyangweni;

36Ekuphenulweni komntu ekubambaneni kwakhe nomnye: iNkosi yam ayiboni na?

37Ngubani na okhe wathetha, kwenzeka, iNkosi yam ingawisanga mthetho?

38Akuphumi okubi nokulungileyo emlonyeni wOsenyangweni na?

39Yini na ukuba umntu akhalaze ephilile? Umfo makakhalaze ngenxa yezono zakhe.

40Masiziphengulule iindlela zethu, sizigocagoce, sibuyele kuYehova.

41Masizinyuse iintliziyo zethu kunye nezandla zethu, sizisé kuThixo emazulwini.

42Thina sikreqile saba neenkani; wena akuxolelanga.

43Ùzigqubuthele ngomsindo, wasisukela; ubuléle akwaconga.

44Ùzigqubuthele ngelifu, ukuze ungaphumeli umthandazo wethu.

45Ùsenzé inkunkuma, imvuthuluka esazulwini sezizwe.

46Zisakhamisele umlomo wazo zonke iintshaba zethu.

47Kokwethu ukunkwantya, nomgongxo, nesibatha, nokutshabalala, nokwaphuka.

48Iliso lam lihla imijelo yamanzi, ngenxa yokwaphuka kwentombi yabantu bakowethu.

49Iliso lam liyatyityizela, aliyeki, alinqamki,

50Ade aqondele abone uYehova, esemazulwini.

51Iliso lam liyawubulala umphefumlo wam, ngenxa yeentombi zonke zomzi wakowethu.

52Zindizingele zandizingela njengentaka iintshaba zam ngelizé.

53Zibubhangisile ubomi bam ngokundeyelisela emhadini, zandigibisela ngamatye.

54Amanzi ahambe phezu kwentloko yam, ndathi, Ndinqanyulwe.

55Ndinqulé igama lakho, Yehova, kongaphantsi umhadi.

56Izwi lam waliva; musa ukuyifihla indlebe yakho ekubefuzeni kwam, ekuzibikeni kwam.

57Wasondela ngemini yokukunqula kwam, wathi, Musa ukoyika.

58Ùwathethile amatyala omphefumlo wam, Nkosi yam; ubukhulule ubomi bam ngokubumisela.

59Ùkubonile, Yehova, ukuphenulwa kwam; lígwebe ityala lam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

60Ùyibonile yonke impindezelo yabo, uzivile zonke iingcinga zabo ngam.

61Ùkuvile ukungcikiva kwabo, Yehova, uzivile zonke iingcinga zabo ngam,

62Umlomo wabo basukela phezulu kum, nezicamango zabo ngam yonke imini.

63Ukuhlala kwabo nokusuka kwabo kúbheke; ndiyingoma yabo.

64Bábuyisele imbuyekezo, Yehova, ngokwezenzo zezandla zabo.

65Bánike ubumfama bentliziyo; intshwabulo yakho mayibe kubo.

66Básukele ngomsindo, ubatshabalalise, bangabikho phantsi kwamazulu kaYehova.

Izililo 4

Ubuqaqawuli beZiyon bangaphambili nokucinezelwa kwayo ngoku

1Yoo! Isuke igolide yaba mncumevu; isuke ecikizekileyo, elungileyo, yaba yeyimbi; Asuke aphalazwa amatye engcwele ekujikeni kwezitrato zonke.

2AbeZiyon abanqabileyo, ábamelwe yigolide engcwengiweyo, Yoo! Babalelwa ekubeni yimiphanda yodongwe, umsebenzi wezandla zombumbi.

3Kanti neempungutye ziyalirhola ibele, zanyise amathole azo; Ke yona intombi yabantu bakowethu isuke yaba sisijorha, njengenciniba entlango.

4Ulwimi losebeleni lunamathela ekhuhlangubeni lakhe linxano; Abantwana bacela isonka, akukho ubaphulelayo.

5Ababesidla ubuncwane baphanzile ezitratweni; Ababephathwa ngeengubo ezibomvu bawola amazala.

6Bukhulile ubugwenxa bentombi yakowethu ngaphezu kwesono seSodom, Yona yabhukuqwáyo ngephanyazo, kungasiwanga sandla kuyo.

7Babeqaqambile ababalulekileyo bayo ngaphezu kwekhephu; baye bemhlophe ngaphezu kwamasi; Babeyingqombela imizimba ngaphezu kwekorale, isibili sabo besinjengesafire;

8Imbonakalo yabo imnyama ngaphezu kocolothi; Abanakaneki ezitratweni; ulùsu lwabo lutshele emathanjeni abo; lomile, lwanjengokhuni.

9Baneyhweba ababulewe ngekrele kunababulewe yindlala, Bona baphelayo ngokubulawa kukungabikho kweziqhamo zamasimi.

10Izandla zabafazi abanemfesane zipheke abantwanana babo, Baba kukudla kwabo ekwaphukeni kwentombi yabantu bakowethu.

11Úbuphelelisile ubushushu bakhe uYehova, ukuphalazile ukuvutha komsindo wakhe; Wafaka umlilo eZiyon, wazitshisa iziseko zayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Bebengenakukholwa ookumkani behlabathi, nabemi bonke belimiweyo. Ukuba
ubengángenayo umbandezeli notshaba emasangweni aseYerusalem.

13Kungenxa yezono zabaprofeti bayo, nobugwenxa bababingeleli bayo, Abaphalazé
igazi lamalungisa phakathi kwayo.

14Baphamzela beziimfama ezitratweni, bedyobhekile ligazi, Bada abantu ababa
nakuchukumisa nezambatho zabo.

15Sukani, nantso inqambi! Kwatshiwo ukumenyezwa kubo. Sukani, sukani, musani
ukuphatha! Bakùsaba, baphamzela nalapho, kwathiwa phakathi kweentlanga,
Mabangaphindi baphambukele khona.

16Ubuso bukaYehova bubachithachithile, akasayi kubabheka; Ubuso bababingeleli
ababubhekanga, amadoda amakhulu abawababalanga.

17Thina, amehlo ethu ayaphela, ekhangele uncedo olungamampunge; Ekuboniseleni
kwethu sibonisela uhlanga olungayi kusisindisa.

18Bazingela amanyathela ethu, ukuze singabi nakuhamba ezitratweni zethu;
Kusondele ukuphela kwethu, izalisekile imihla yethu; ewe, kufikile ukuphela kwethu.

19Abasisukelayo banamendu ngaphezu kwamaxhalanga asezulwini; Basisukela
ezintabeni ngokushushu, basilalela entlango.

20Umoya wamathatha ethu, umthanjiswa kaYehova, ubanjisiwe emihadini yabo:
Lowo besisithi, Siya kuhlala phantsi komthunzi wakhe ezintlangeni.

21Yiba nemihlali uvuye kambe, ntombi yakwaEdom, ihleliyo ezweni lakwaUtse; Iya
kudlulela nakuwe indebe; ùya kunxila, uzihlube.

22Bugqityiwe ubugwenxa bakho, ntombi inguZiyon; Akayi kuphinda akufuduse; Ùya
kubuvelela ubugwenxa bakho, ntombi yakwaEdom. Ùya kuzityhila izono zakho.

Izililo 5

Umthandazo weZiyon wokucela ukuhlangulwa

1Kukhumbule, Yehova, okusihleleyo; Bheka, uyibone ingcikivo yethu.

2Ilifa lethu lisuke lenziwa elabasemzini, Izindlu zethu zalunga kwabolunye uhlanga.

3Siziinkedama, asinabawo; Oma banjengabahlolokazi.

4Amanzi ethu siwasela ngesilivere; Iinkuni zethu ziza kuthi ngexabiso.

5Intshutshiso iphezu kwentamo yethu; Sidiniwe, asinakuphumla.

6Isandla sisinika amaYiputa, Nama-Asiriya, ukuba sihluthe sisonka.

7Oobawo bonile, àbasekho; Thina sithwele ubugwenxa babo.

8Silawulwa ngabakhonzi; Akukho usiqhiwulayo ezandleni zabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Isonka sethu sisizuza ngomphefumlo wethu ùsisichenge. Ngenxa yekrele lasentlango.

10Ulùsu lwethu luyavutha njengeziko Ngenxa yolophu lwendlala.

11Badlwengulé abafazi eZiyon, Iintombi emizini yakwaYuda.

12Baxhomé abathetheli ngezandla; Ubuso bamadoda amakhulu àbubékwa.

13Amadodana athwala amatye okusila, Amakhwenkwe akhubeka phantsi kweenkuni.

14Amadoda amakhulu aphezile ukuya esangweni; Amadodana, ekubetheni uhadi.

15Iphelile imihlali yentliziyo yethu, Ukuqamba kwethu kujike kwaba kukumbambazela.

16Síwile isithsaba entlokweni yethu; Yeha ke thina! kuba sonile.

17Ngenxa yoko ityhafile intliziyo yethu; Ngenxa yezo zinto amnyama amehlo ethu;

18Ngenxa yentaba yaseZiyon, kuba ibharhile, Kuhamba iimpungutye phezu kwayo.

19Wena, Yehova, uhleli ngonaphakade; Itrone yakho ikwisizukulwana ngesizukulwana.

20Yini na ukuba usilibale ngonaphakade, Usilahle imihla emide?

21Síbuyisele kuwe, Yehova; sobuya; Hlaziya imihla yethu njengokwamandulo.

22Ùngaba usicekise mpela na, Wanoburhalarhume kuthi ngokukhulukazi na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHezekile

UHezekile 1

Umbono weekerubhi eziné

1Ke kaloku, ngomnyaka wamashumi omathathu, ngenyanga yesiné, ngolwesihlanu usuku enyangeni leyo, ndakubon' ukuba ndiphakathi kwabathinjiweyo ngasemlanjeni oyiKebhare, avuleka amazulu, ndabona imibono kaThixo.

2Ngolwesihlanu enyangeni leyo (ingumnyaka ke wesihlanu wokuthinjwa kokumkani uYehoyakin lowo),

3kwafika ilizwi likaYehova kuHezekile unyana kaBhuzi, umbingeleli, ezweni lamaKaledi, ngasemlanjeni oyiKebhare; saba phezu kwakhe apho isandla sikaYehova.

4Ndabona ke, nanko kusiza umoya ovuthuzayo, uvela ngasentla, unelifu elikhulu nomlilo obumbeneyo njengembumbulu, nobumhlophe obungeenxa zonke kulo, obuphuma ngaphakathi kwawo, bubonakala ngathi yigolide evuthiweyo emlilweni phakathi.

5Ngaphakathi kwawo yimfano yezinto eziphilileyo eziné. Nantsi ke imbonakalo yazo:

6zibe zinemfano yomntu; inye ibinobuso obuné, inye kuzo apho ibinamaphiko amané.

7Imilenze yazo ibiyimilenze ethe nkqo; umphantsi weenyawo ubunjengomphantsi wenqina lethole; zidangazela zibonakala ngathi lubhedu olubengezelisiweyo.

8Zazinezandla zomntu ngaphantsi kwamaphiko azo emacaleni azo omané; zoné ke zinobuso namaphiko;

9amaphiko azo abehlangene, elaleyo nelaleyo; bezingajiki ekuhambeni kwazo, bezihamba, iyileyo iye kwicala elikhangelene nobuso bayo.

10Imfano yobuso bazo ibe ibubuso bomntu; zinobuso bengonyama zoné ngasekunene; zinobuso benkomo zoné ngasekhohlo, zinobuso bokhozi zoné;

11ubuso bazo namaphiko azo abe ahlukene ngaphezulu; iyileyo inamabini ehlangene nawaleyo, namaphiko amabine ke egubungele imizimba yazo.

12Zahamba ke, iyileyo yaya kwicala elikhangelene nobuso bayo; apho sukuba ubusiya khona umoya, zaya khona; azajika ekuhambeni kwazo.

13Imfano yezinto eziphilileyo ezo, imbonakalo yazo, ibingathi ngamalahle omlilo abasiweyo; ibingathi yimbonakalo yezikhuni ezitshangazayo; wona wahambahamba phakathi kwezinto eziphilileyo ezo; umhlophe ke umlilo lowo, emlilweni kuphuma imibane.

14Izinto eziphilileyo bezigidima zibuye, ngokokubonakala kokuphambaphamba kombane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umbono weevili eziné

15Ndazibona izinto eziphilileyo; nanko ke, kukho iivili emhlabeni, ecaleni kwezinto
eziphilileyo, zinganye iivili kubuso ngobuso bazo obuné.

16Ukubonakala kweevili nokusetyenzwa kwazo kwakunjengembonakalo yekrizolite,
zimfaninye zoné; ukubonakala kwazo nokusetyenzwa kwazo kungathi ivili
ingaphakathi kwevili.

17Ekuhambeni kwazo zaphambela kumacala azo omané; azajika ekuhambeni kwazo.

18Iifeleni zazo beziphakamile, bezisoyikeka; iifeleni zazo bezizele ngamehlo ngeenxa
zonke kuzo zoné.

19Zakuhamba izinto eziphilileyo, zahamba nazo iivili ecaleni lazo; zakusuka izinto
eziphilileyo emhlabeni, zasuka nazo iivili.

20Apho sukuba usiya khona umoya, zaya apho sukuba umoya ubusiya khona; zasuka
iivili kunye nazo; ngokokuba umoya wezinto eziphilileyo ubukho ezivilini ezo.

21Zakuhamba, zahamba nazo; zakuma, zema nazo; zakusuka emhlabeni, zasuka iivili
kunye nazo; ngokokuba umoya wezinto eziphilileyo ubukho ezivilini ezo.

Umbono wobuqaqawuli bukaThixo

22Naphezu kweentloko zezinto eziphilileyo bekukho into efana nesibhakabhaka,
ngathi ngembonakalo yikristale eyoyikekayo, sanekiwe phezu kwentloko yazo
ngaphezulu.

23Ngaphantsi kwesibhakabhaka amaphiko ayethe tye, elo lasinga kwelo; iyileyo
inamabini ayigubungeleyo, iyileyo inamabini ayigubungeleyo emzimbeni.

24Ndeva ke isandi samaphiko azo, sinjengesandi samanzi amaninzi, ngathi lilizwi
loSomandla, ekuhambeni kwazo; izwi elinengxolo ngathi sisandi somkhosi; zakuma,
zawayeka ehla amaphiko azo.

25Kwabakho ke izwi liphuma ngaphaya kwesibhakabhaka, esibe siphezu kweentloko
zazo; zakuma, zawayeka ehla amaphiko azo.

26Ngaphezu kwesibhakabhaka esibe siphezu kweentloko zazo, kwabonakala
umfanekiselo wetrone, wanga lilitye lesafire; ngaphezu komfanekiselo wetrone
kwabakho umfanekiselo ongathi yimbonakalo yomntu phezu kwayo ngaphezulu.

27Ndabona ke, ngathi yimbonakalo yegolide evuthiweyo, ngathi yimbonakalo
yomlilo, ngaphakathi kwayo nangeenxa zonke kuyo, kwathabathela embonakalweni
yesinqe kwenyusa; kwathabathela embonakalweni yesinqe kwehlisa, ndabona ke
ngathi yimbonakalo yomlilo, kumhlophe ke ngeenxa zonke.

28Ngathi yimbonakalo yomnyàma obakhoyo efini mini ngemvula, yabe injalo
imbonakalo yobumhlophe ngeenxa zonke. Leyo yimbonakalo yomfanekiselo
wobuqaqawuli bukaYehova. Ndabona ke, ndawa ngobuso, ndaliva izwi lothethayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHezekile 2

Ukuthunywa kokuqala kukaHezekile ukuba abe ngumprofeti

1Wathi kum, Nyana womntu, yima ngeenyawo zakho, ndithethe nawe.

2Kwangena ke uMoya kum, xa abethetha nam, wandimisa ngeenyawo zam, ndamva othetha kum.

3Wathi kum, Nyana womntu, ndikuthuma koonyana bakaSirayeli, kwiintlanga ezingabagwiliki, abagwilikileyo kum; bona nooyise babo bakreqile kum, kwada kwayile mini.

4Oonyana baziingwanyalala ubuso, balukhuni intliziyo. Ndikuthuma kubo; uze uthi kubo, Itsho iNkosi uYehova.

5Ke bona (nokuba bathe beva, nokuba bathe bála, kuba beyindlu eneenkani) baya kwazi ukuba bekukho umprofeti phakathi kwabo.

6Wena ke, nyana womntu, musa ukuboyika, ungawoyiki amazwi abo; nangani usemarhawini nasemeveni, uhleli phezu koonomadudwane, musa ukuwoyika amazwi abo, ungaqhiphuki umbilini bubuso babo, kuba bayindlu eneenkani.

7Wáthethe ke kubo amazwi am, nokuba bathe beva, nokuba bathe bála; ngokuba baneenkani.

8Wena ke, nyana womntu, yiva endikuthethayo kuwe; ungabi nankani, njengale ndlu ineenkani; yakhamisa, udle endikunikayo.

9Ndabona, naso isandla solulelwe kum; nantso kuso incwadi esongwayo.

10Wayitwabulula phambi kwam; yaye ke ibhaliwe ngaphakathi nangaphandle, kubhalwe kuyo izimbonono, nezikhwino, nezimema.

UHezekile 3

1Wathi ke kum, Nyana womtu, kúdle okufumanayo; yidle le ncwadi isongwayo, uye uthethe kwindlu kaSirayeli.

2Ndawuvula ke umlomo wam, wandidlisa loo ncwadi isongwayo; wathi kum,

3Nyana womntu, dlisa isisu sakho, uzalise umbilini wakho ngaloo ncwadi isongwayo ndikunikayo. Ndayidla ke, yaba nencasa emlonyeni wam, njengobusi.

4Wathi kum, Nyana womntu, hamba uye kwindlu kaSirayeli, uthethe kubo ngamazwi am.

5Ngokuba àkuthunyelwa kubantu abantetho inzulu, abalulwimi lunzima; uthunyelwa kwindlu kaSirayeli.

6Àndikuthumeli kwizizwe ezininzi, ezintetho inzulu, ezilulwimi lunzima, ezimazwi ungàweviyo; ndikuthuméle kuzo ezi zinokukuphulaphula zona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ke indlu kaSirayeli ayiyi kuvuma ukukuphulaphula; ngokokuba àbavumi ukundiphulaphula nam; kuba yonke indlu kaSirayeli ilukhuni ibunzi, igogotyile ngentliziyo.

8Yabona, ndibenza lukhuni ubuso bakho, kwanjengobuso babo; ibunzi lakho libe lukhuni, Kwanjengebunzi labo;

9ndilenza libe njengedayiman, elukhuni ngaphezu kweqhwitha, ibunzi lakho. Uze ungaboyiki, ungaqhiphuki umbilini phambi kwabo; ngokuba bayindlu eneenkani.

10Wathi kum, Nyana womntu, onke amazwi am endiya kuwathetha kuwe, wamkelele entliziyweni yakho, uweve ngeendlebe zakho;

11uhambe uye kubathinjwa, koonyana babantu bakowenu, uthethe kubo uthi kubo, Itsho iNkosi uYehova; nokuba bathe beva, nokuba bathe bála.

12Wandifunqula uMoya, ndeva ngasemva kwam isandi sendudumo enkulu, sisithi, Mabubongwe ubuqaqawuli bukaYehova, endaweni yabo.

13Kananjalo ndeva nesandi samaphiko ezinto eziphililileyo, elo lifikelela kwelo, nesandi seevili ngakuzo, nesandi sendudumo enkulu.

14Wandifunqula uMoya, wandisusa; ndahamba ndikrakra bubushushu bomoya wam. Saye ke isandla sikaYehova siphezu kwam, siqinile.

15Ndafika ke eTelabhibhi, kubathinjwa ababehleli emlanjeni oyiKebhare, apho babehleli khona; ndahlala phantsi khona iintsuku zasixhenxe, ndimangalisiwe, phakathi kwabo.

Ukuthunywa kwesibini

16Kwathi ekupheleni kweentsuku ezisixhenxe, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

17Nyana womntu, ndikwenzé umboniseli kwindlu kaSirayeli; live ke ilizwi emlonyeni wam, ubavuselele ngokuvela kum.

18Xa ndithi kongendawo, Inene, ùya kufa; usuke wena ungamvuseleli, ungathethi ukuze umvuselele ongendawo, ukuze aphume endleleni yakhe engendawo, aphile; wófa ongendawo lowo ngobugwenxa bakhe, kodwa lona igazi lakhe ndolibiza esandleni sakho.

19Wena ke, xa uthe wamvuselela ongendawo, akabuya endleleni yakhe, endleleni yakhe engendawo: wófa ngobugwenxa bakhe, kodwa wena uwuhlangule umphefumlo wakho.

20Ke, lakubuya ebulungiseni balo ilungisa, lenze ngobugqwetha, ndibeke isikhubekiso phambi kwalo; lofa lona; xa uthe akwalivuselela, lofa ngenxa yesono salo, bungàkhunjulwa ubulungisa balo elabenzayo; kodwa lona igazi lalo ndolibiza esandleni sakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Wena ke, xa uthe walivuselela ilungisa, ukuba lingoni ilungisa, àlona ke: lophila
ngokuba livuselelwe, ke wena uwuhlangule umphefumlo wakho.

Ukuthunywa kwesithathu

22Sabakho apho isandla sikaYehova phezu kwam, wathi kum, Suk' ume, phuma uye
entilini, ndithethe nawe khona.

23Ndesuka ndema, ndaphuma ndaya entilini; nanko ke, kumi khona ubuqaqawuli
bukaYehova obunjengobuqaqawuli obuyá ndabubonáyo ngasemlanjeni oyiKebhare;
ndawa ngobuso.

24Kwafika uMoya kum, wandimisa ngeenyawo zam, wathetha nam, wathi, Yiya
uzivalele endlwini yakho.

25Wena ke, nyana womntu, yabona, baya kukufaka izintya, bakubophe ngazo, ukuze
ungaphumi uye phakathi kwabo.

26Ndiya kulunamathelisa ulwimi lwakho ekhuhlangubeni lakho, ube sisidenge, ungabi
yindoda eyohlwayayo kubo; ngokuba bayindlu eneenkani.

27Ndakùthetha nawe, ndowuvula umlomo wakho, uthi ke kubo, Itsho iNkosi uYehova
ukuthi, Ovayo makeve, owalayo makale; ngokuba bayindlu eneenkani.

UHezekile 4

Imiqondiso eyalatha ungqingo nothimbo lweYerusalem

1Wena ke, nyana womntu, thabatha isitena, usibeke phambi kwakho, ukrole umzi
kuso, iYerusalem;

2uwungqinge, uwakhele iinqaba zokubonisela, uwufumbele udonga lokungqinga;
uwenzele iminquba, umisele izinto zokutyhomfa iindonga ngeenxa zonke.

3Wena ke, thabatha ipani yesinyithi, uyimise ibe ludonga lwesinyithi phakathi
kwakho nomzi lowo; ububhekise ubuso bakho kuwo, ube selungqingweni wona,
uwungqinge wena. Ngumqondiso lo kwindlu kaSirayeli.

4Wena ke, lala ngecala lakho lasekhohlo, ububeke ubugwenxa bendlu kaSirayeli
phezu kwalo: ngangenani leentsuku oya kulala ngalo, ùya kubuthwala ubugwenxa
babo.

5Kuba iminyaka yobugwenxa babo ndiyenza ukuba kuwe ibe ngangenani leentsuku,
iintsuku ezimakhulu mathathu anamanci asithoba; ùya kubuthwala ubugwenxa
bendlu kaSirayeli.

6Ùya kuthi, wakuba uzifezile ezo, ulale okwesibini ngecala lakho lasekunene,
ubuthwale ubugwenxa bendlu kaYuda iintsuku ezimashumi mané; ndikwenzela
usuku lube ngumnyaka, usuku lube ngumnyaka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ùze ke ububhekise ubuso bakho elungqingweni lweYerusalem, ingalo yakho íhlutyiwe, uprofetele kayo.

8Yabona, ndikufaka izintya, ukuze ungaguqukeli kwelinye icala, ude uzigqibe iintsuku zokungqinga kwakho.

9Wena ke, thabatha ingqolowa, nerhasi, neembotyi, neentlumayo, namazimba, nespelete, uzigalele ezo zinto sityeni sinye, uzenzele wena isonka; ngokwenani leentsuku olala ngecala lakho, uya kusidla iintsuku ezimakhulu mathathu anamanci asithoba.

10Ukudla kwakho oya kukudla koba ngokomlinganiselo, iishekele ezimashumi mabini ngosuku; uya kusidla amaxesha ngamaxesha.

11Namanzi wòwasela ngomlinganiselo, isahlulo sesithandathu sehin; uya kusisela amaxesha ngamaxesha.

12Uya kusidla ngokwesonka esiliqebengwana serhasi, usoje emehlweni abo ngeengqatha eziphuma emntwini.

13Wathi uYehova, Oonyana bakaSirayeli baya kwenjenjalo ukusidla siyinqambi ezintlangeni, endiya kubagxothela kuzo.

14Ndathi, Awu! Nkosi Yehova! Yabona, umphefumlo wam awuzanga wenziwe inqambi; into ezifeleyo neqwengiweyo andizanga ndiyidle, kwasebuncinaneni bam unanamhla; akufikanga nyama iyimbozisa emlonyeni wam.

15Wathi kum, Uyabona, ndikunika amalongo enkomo esikhundleni seengqatha zomntu; sóje kuwo isonka sakho.

16Wathi kum, Nyana womntu, yabona, ndiya kuwaphula umsimelelo osisonka eYerusalem, basidle isonka ngomlinganiselo, benesithukuthezi; bawasele amanzi ngomlinganiselo, bemangalisiwe;

17ukuze baswele isonka namanzi, bamangalisane, bangcungcutheke ebugwenxeni babo.

UHezekile 5

1Wena ke, nyana womntu, thabatha ikrele elibukhali, libe sisitshetshe sokuguya, ulihambise entlokweni yakho nasesilevini sakho, uthabathe isikali sokulinganisela, uzahlule iinwele.

2Esinye isahlulo sesithathu uze usitshise ngomlilo esazulwini somzi, zakuzaliseka iintsuku zongqingo; uthabathe nesinye isahlulo sesithathu, uxabele ngekrele ngeenxa zonke kuso; nesinye isahlulo sesithathu usichithachithe emoyeni, ndirhole ikrele emva kwazo.

3Uze uthabathe kuzo zibe mbalwa, uzibophe esondweni lengubo yakho;

© 1975 Bible Society of South Africa.

4ubuye uthabathe kuzo, uziphose emlilweni, uzitshise ngomlilo. Khona apho kuya
kuphuma umlilo, uye kuyo yonke indlu kaSirayeli.

5Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Le Yerusalem ndiyimise esazulwini seentlanga, amazwe
angeenxa zonke kuyo.

6Ke iwaphikisile ngokungendawo amasiko am ngaphezu kweentlanga, nemimiselo
yam ngaphezu kwamazwe angeenxa zonke kuyo; ngokuba bawacekisile amasiko am,
àbahamba ngemimiselo yam.

7Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba nangxola ngaphezu
kweentlanga ebezingeenxa zonke kuni, ànahamba ngemimiselo yam, ànawenza
amasiko am, ànenza nangolwamasiko eentlanga ebezingeenxa zonke kuni:

8ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, mna, ewe mna, ndikuchasile; ndiya
kwenza izigwebo esazulwini sakho emehlweni eentlanga;

9ndenzè kuwe endingazanga ndikwenze, endingayi kubuya ndikwenze okunjalo,
ngenxa yamasikizi akho onke.

10Ngako oko ooyise baya kudla oonyana esazulwini sakho, oonyana badle ooyise;
ndenzè izigwebo, ndiwachithachithe onke amasalela akho emimoyeni yonke.

11Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndihleli nje, inyaniso, ngenxa enokuba
ingcwele yam ùyenzé inqambi ngeento zakho zonke ezinezothe, nangamasikizi akho
onke, nam ndiya kulisusa iliso lam, lingabi nanceba, ndingacongi nam.

12Isahlulo sesithathu kuwe siya kufa yindyikitya yokufa, siphele nayindlala esazulwini
sakho; esinye isahlulo sesithathu siwè likrele ngeenxa zonke kuwe; esinye isahlulo
sesithathu ndisichithachithe emimoyeni yonke, ndirhole ikrele emva kwabo.

13Wóphelela ke kubo umsindo wam, ndibupholisele kubo ubushushu bam,
ndithuthuzeleke; bazi ukuba mna Yehova ndithethé ndinekhwele,
ekubuphleleliseleni ubushushu bam kubo.

14Phezu koko ndokwenza ube linxuwa nesingcikivo ezintlangeni ezingeenxa zonke
kuwe, emehlweni abo bonke abadlulayo.

15Ùya kuba sisingcikivo nesinyeliso, ube sisithethiso nommangaliso kwiintlanga
ezingeenxa zonke kuwe, ekwenzeni kwam izigwebo kuwe ngomsindo
nangobushushu, nangezohlwayo zobushushu; mna Yehova ndithethile:

16nasekuzithumeni kwam kuwe iintolo ezimbi zendlala, ezizezolonakaliso, endiya
kuzithuma ukuze zinonakalise. Ndiya kuyandisa indlala phezu kwenu, ndiwaphule
umsimelelo osisonka kuni;

17ndithùme phezu kwenu indlala namarhamncwa, akuhluthe abantwana, ifikelele
kuwe indyikitya yokufa negazi, ndikuzisele ikrele; mna Yehova ndithethile.

UHezekile 6

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukugwetywa konqulo-zithixo

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, bhekisa ubuso bakho ezintabeni zakwaSirayeli, uprofetele kuzo, uthi,

3Yivani, nina zintaba zakwaSirayeli, ilizwi leNkosi uYehova. Itsho iNkosi uYehova kwiintaba nakwiinduli, kwizihlambo nakwimifula, ukuthi, Yabonani, ndinizisela ikrele, ndizidìlize izigánga zenu.

4Ziya kuba ngamanxuwa izibingelelo zenu, zaphulwe izithixo zenu zelanga; ndibakhahlele ababuleweyo benu phambi kwezigogo zenu.

5Ndozibeka izidumbu zoonyana bakaSirayeli phambi kwezigodo zabo, ndiwachithachithe amathambo enu ngeenxa zonke ezibingelelweni zenu.

6Imizi yoba ngamanxuwa ezindaweni zonke zokuhlala kwenu, zichithakale izigánga; ukuze zichithakale zibe ngamanxuwa izibingelelo zenu, zaphulwe ziphele izigodo zenu, zigawulwe izithixo zenu zelanga, icinywe imisebenzi yenu.

7Úya kuwa obuleweyo esazulwini senu; nazi ukuba ndinguYehova.

8Ndiya kushiya amasalela, ngokuthi kubekho kuni abasindileyo ekreleni phakathi kweentlanga, ekuchithwachithweni kwenu emazweni.

9Abasindileyo benu baya kundikhumbula phakathi kweentlanga abathinjelwe kuzo, xa ndithe ndayaphula intliziyo yabo ehenyuzayo, eyemkayo kum, namehlo abo abehenyuza ngokulandela izigodo zabo; bakruqùke bububi ababenzileyo ngokusingisele emasikizini abo onke.

10Baya kwazi ukuba ndinguYehova; andifumane ndathetha ndathi, Ndiya kubenza obu bubi kubo.

11Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Betha esandleni sakho, ungqishe ngonyawo lwakho, uthi, Yeha! ngenxa yawo onke amasikizi amabi endlu kaSirayeli; kuba baya kuwa likrele, nayindlala, nayindyikitya yokufa.

12Okude uya kufa yindyikitya yokufa, okufuphi awe likrele, nosale walondolozwa afe yindlala; ndibuphelelìsele kubo ubushushu bam.

13Niya kwazi ukuba ndinguYehova, bakuba ababuleweyo benu bephakathi kwezigodo zenu ngeenxa zonke ezibingelelweni zenu, ezindulini zonke eziphakamileyo, ezincotsheni zonke zeentaba, naphantsi kwemithi yonke eluhlaza, naphantsi kwemiterebhinti ethe shinyi, ezindaweni ababenikela kuzo ivumba elithozamisayo kwizigodo zabo zonke.

14Ndosolula isandla sam phezu kwabo; ndilenze ilizwe kube senkangala yakwankangala, ngaphezu kwentlango yakwaDibhelata, ezindaweni zonke zokuhlala kwabo; bazi ukuba ndinguYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHezekile 7

Isohlwayo sikaSirayeli ngenxa yenkohlakalo

1Kananjalo kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Wena, wena ke nyana womntu, itsho iNkosi uYehova kumhlaba wakwaSirayeli ukuthi, Isiphelo, isiphelo siwafikele amasondo omané elizwe.

3Kaloku isiphelo sikufikele; ndiya kuwukhuphela umsindo wam kuwe, ndikugwebe ngokweendlela zakho, ndiwabeke phezu kwakho amasikizi akho onke.

4Aliyi kuba nanceba kuwe iliso lam, ndingakucongi; ke ndiya kukuzisela iindlela zakho, abe sesazulwini sakho amasikizi akho; názi ukuba ndinguYehova.

5Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ububi, ububi obubodwa; yabonani, buyeza.

6Kuza isiphelo, isiphelo sona siyeza, sikuvukele wena; yabona siyeza.

7Úyakuzela umjojo, mmi welizwe eli; liyeza ixesha, isondele imini; kusisaqunge, akungamayeyeye emihlali ezintabeni.

8Ngoku kwakufuphi nje ndiya kuthulula phezu kwakho ubushushu bam, ndiwuphelelisele kuwe umsindo wam, ndikugwebe ngokweendlela zakho, ndiwabeke phezu kwakho onke amasikizi akho.

9Aliyi kuba nanceba kuwe iliso lam, ndingakucongi; ke ndiya kuwabeka phezu kwakho ngokweendlela zakho amasikizi akho phakathi kwakho; názi ukuba mna Yehova ndingobethayo.

10Nantso imini! Nantso, ifikile! Uphuma umjojo, luphuma amathupha uswazi, kuyatyatyamba ukukhukhumala.

11Ugonyamelo luphakame lwaba luswazi lokungendawo; akuyi kubakho namnye kubo osalayo, kungabikho nto kwingxokolo yabo, kungabikho nto kwintabalala yabo; kungabikho njuze isalayo kubo.

12Lifikile ixesha, isondele imini; othengayo makangavuyi, othengisayo makangenzi sijwili; ngokuba ukuvutha komsindo kuyayizela yonke ingxokolo yakhona.

13Ngokuba othengisayo akayi kubuyela entweni abethengise ngayo, nokuba ubesadla ubomi phakathi kwabadla ubomi; ngokuba umbono ongéngxokolo yonke yakhona awuyi kubuya umva; kungàbikho bani ubomelezayo ubomi bakhe ebugwenxeni bakhe.

14Bavuthela isigodlo, balungisa konke; kodwa akukho namnye oya ekulweni; ngokuba ubushushu bam buyizèle ingxokolo yabo yonke.

15Ngekrele ngaphandle, ngendyikitya yokufa nangendlala ngaphakathi: osendle uya kufa likrele, ophakathi komzi adliwe yindlala nayindyikitya yokufa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ke abasindileyo kubo bosinda, babe sezintabeni njengamavukuthu asemifuleni,
bedumzela bonke bephela, elowo edumzela ngobugwenxa bakhe.

17Zonke izandla ziya kuwa, onke amadolo aye angabi namandla;

18babhinqe ezirhwexayo, bagutyungelwe kukududuzela, ebusweni bonke ibe
kukudana, iintloko zabo zonke zibe ziinkqayi.

19Isilivere yabo baya kuyiphosa ezitratweni, negolide yabo ibe yinto engcolileyo
kubo. Isilivere yabo negolide yabo ayiyi kuba nako ukubahlangula ngemini
yokuphuphuma komsindo kaYehova; abayi kuwuhluthisa ngayo umphefumlo wabo,
nombilini wabo bangàwuzalisi ngayo; ngokuba yaba sisikhubekiso sokuba babe
gwenxa.

20Isivatho sabo esinobukhazikhazi básimisela ikratshi, benza ngaso imifanekiso yabo
engamasikizi, enezothe; ngenxa yoko ndiyenzé yayinto engcolileyo kubo.

21Ndiya kuyinikela esandleni sabasemzini ukuba iphangwe, nakwabangendawo
behlabathi ibe lixhoba, bayihlambele;

22ndibùsuse ubuso bam kubo, bayihlambele ingqwebo yam; bafike abatyhobozi,
bayihlambele.

23Yenza umxokelelwane, ngokuba ilizwe liliphalaza igazi elimsulwa, nomzi uzele
lugonyamelo.

24Ndozisa abanobubi basezintlangeni, bazihluthe izindlu zabo, ndiliphelise ikratshi
labanamandla, zihlanjelwe iingcwele zabo.

25Kuyafika ukuxhalaba; bafuna uxolo, alukho.

26Kuza umeyeliselo phezu komeyeliselo, kubekho udaba phezu kodaba, bafune
umbono kumprofeti, ke umyalelo utshabalale ungabikho kumbingeleli, neqhinga
kumadoda amakhulu.

27Ukumkani uya kwenza isijwili, nesikhulu sambathe ummangaliso, ziyekelele izandla
zabantu belizwe eli. Ndiya kwenza kubo ngokwendlela yabo, ndibagwebe
ngokwezigwebo zabo; bazi ukuba ndinguYehova.

UHezekile 8

Umbono wonqulo-zithixo lwaseYerusalem

1Ke kaloku kwathi ngomnyaka wesithandathu, ngenyanga yesithandathu,
ngolwesihlanu enyangeni leyo, ndíhleli endlwini yam, namadoda amakhulu
akwaYuda ehleli phambi kwam, sawa phezu kwam khona isandla seNkosi uYehova.

2Ndabona, nantso into efana nendoda ukubonakala kwayo; kuthabathele esinqeni
sayo kwehlisa, kubonakala ingumlilo; kuthabathele esinqeni sayo kunyuse, ngathi
kukubonakala kokukhazimla, ngathi yimbonakalo yegolide evuthiweyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Wolula into emilise okwesandla, wandibamba ngesihlwitha sentloko yam; umoya wandifunqula ndaba phakathi komhlaba nezulu. Wandisa eYerusalem ngemibono kaThixo, ekungeneni kwesango lentendelezo ephakathi, elibheke ngasentla, apho bekuhleli khona umfanekiso wobukhwele okhweletisayo.

4Nabo ke bukhona ubuqaqawuli bukaThixo kaSirayeli, bunjengombono endawubonayo entilini leyo.

5Wathi kum, Nyana womntu, khawuphakamise amehlo akho, ukhangele ngasentla. Ndawaphakamisa ke amehlo am, ndakhangela ngasentla: nanko ngasentla kwesango lesibingelelo kukho loo mfanekiso wobukhwele usekungeneni kwalo.

6Wathi kum, Nyana womntu, uyakubona na abakwenzayo? Ngamasikizi amakhulu la, iwenzayo apha indlu kaSirayeli, ukuze ndikhwelele kùde nengcwele yam; usaya kubuya ubone amasikizi amakhulu kunalá.

7Wandisa ke ekungeneni kwentendelezo; ndabona, nango umngxuma eludongeni.

8Wathi kum, Nyana womntu, khawugqobhoze eludongeni. Ndagqobhoza ke eludongeni, nanko kukho umnyango.

9Wathi kum, Yiza, ubone amasikizi amabi abawenzayo apha.

10Ndangena, ndabona: nanzo zonke izinto ezimilise okwesinambuzane nenkomo, izinto ezinezothe, nezigodo zonke zendlu kaSirayeli, zikroliwe eludongeni ngeenxa zonke.

11Kumi phambi kwazo amadoda angamashumi asixhenxe kumadoda amakhulu endlu kaSirayeli, noYazaniya unyana kaShafan emi phakathi kwawo, iyileyo iphethe ngesandla isiqhumiselo, kunyuka ivumba lelifu lokuqhumisela.

12Wathi kum, Nyana womntu, ukubonile na akwenzayo emnyameni amadoda amakhulu endlu kaSirayeli, iyileyo ezingontsini zayo ezinemifanekiso? ngokuba esithi, uYehova akasiboni, uYehova ulilahlile ilizwe.

13Wathi kum, Usaya kubuya ubone amasikizi awenzayo amakhulu kunalá.

14Wandisa ekungeneni kwesango lendlu kaYehova elingasentla; nanko kuhleli abafazi apho, belilela uTamuzi.

15Wathi kum, Ubonile na, nyana womntu? Usaya kubuya ubone amasikizi awenzayo amakhulu kunalá.

16Wandísa entendelezweni ephakathi yendlu kaYehova: nanko, ekungeneni etempileni kaYehova, phakathi kwevaranda nesibingelelo, kukho amadoda angathi angamashumi amabini anamahlanu, eyinikele umva itempile kaYehova, ubuso bawo bubheke empumalanga; aqubuda kwilanga, ebheke empumalanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Wathi kum, Ubonile na, nyana womntu? Kuncinane na kwindlu kaYuda ukuwenza la masikizi bawenzayo apha, ukuba ke balizalise ilizwe nangogonyamelo, babuye bandiqumbise? Nabo, besisa isebe lomdiliya emathatheni abo.

18Nam ndiya kwenza ngobushushu; aliyi kuba nanceba iliso lam, ndibaconge; nokuba badanduluke ezindlebeni zam ngezwi elikhulu, andiyi kubeva.

UHezekile 9

Ukubulawa kwabanquli-zithixo eYerusalem

1Wabiza ngelizwi elikhulu ezindlebeni zam, esithi, Sondelani, baveleli bomzi, elowo ephethe ngesandla izixhobo zakhe zokutshabalalisa.

2Nanko ke, kusiza amadoda amathandathu ngendlela yesango eliphezulu, elikhangele entla, iyileyo iphethe ngesandla izixhobo zayo zokuhlekeza; kukho indoda phakathi kwawo eyambethe ilinen emhlophe, inezinto zokubhala ethangéni layo; eza ke ema ecaleni kwesibingelelo sobhedu.

3Ubuqaqawuli bukaThixo kaSirayeli baye bunyuka, busuka ekerubhini obebuphezu kwayo, baya emnyango wendlu. Wamemeza endodeni eyambethe ilinen emhlophe, enezinto zokubhala ethangéni layo.

4Wathi uYehova kuyo, Canda esazulwini somzi, esazulwini seYerusalem, ubeke uphawu emabunzini amadoda agcumayo, ancwinayo ngenxa yamasikizi onke awenzekayo esazulwini sayo.

5Wathi kwamanye ezindlebeni zam, Candani esazulwini somzi emva kwayo, nixabele; malingabi nanceba iliso lenu, ningàbacongi.

6Amaxhego, amadodana nomthinjana, abantwana nabafazi, babulaleni, ukuze batshabalale; ke bonke abantu abanophawu olo, musani ukufika kubo; nize niqalele ke engcweleni yam. Aqala ke ngamadoda amakhulu abephambi kwendlu.

7Wathi ke kuwo, Yénzeni inqambi indlu le, nizizalise iintendelezo ngababuleweyo; phumani niye. Aphuma ke abulala kuwo umzi.

8Kwathi, xa ababulalayo, ndiséle mna, ndawa ngobuso, ndakhala, ndathi, Awu! Nkosi Yehova, uya kuwatshabalalisa onke na amasalela amaSirayeli ngokubuthulula ubushushu bakho phezu kweYerusalem?

9Wathi kum, Ubugwenxa bendlu kaSirayeli nobendlu kaYuda bukhulu kakhulu kunene, nelizwe lizele ligazi, nomzi uzele bubugqwetha; ngokuba besithi, UYehova ulilahlile ilizwe, uYehova àkaboni.

10Ke nam aliyi kuba nanceba iliso lam, ndibaconge; ndiya kubanika ngokwendlela yabo entlokweni yabo.

11Nantso indoda eyayambethe ilinen emhlophe, ebinezinto zokubhala ethangéni layo, ibuya nelizwi elithi, Ndenzé njengoko ubundiwisele umthetho ngako.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHezekile 10

Ukutshatyalaliswa kweYerusalem ngomlilo

1Ndabona, nanko, phezu kwesibhakabhaka esibe siphezu kwentloko yeekerubhi, kunjengelitye lesafire, kubonakala ngathi ngumfanekiso wetrone; wabonakala phezu kwazo uYehova.

2Wathetha kwindoda eyambethe ilinen emhlophe, wathi, Yiya phakathi kweevili ezijikelezayo ngaphantsi kwekerubhi, uzalise izandla zakho ngamalahle omlilo, uwathabathe phakathi kweekerubhi, uwasasaze phezu kwawo umzi. Yangena ndíyibona.

3Ke iikerubhi bezimi ngasekunene kwendlu, ekungeneni kwendoda leyo; ilifu layizalisa intendelezo ephakathi.

4Benyuka ubuqaqawuli bukaYehova, besuka ezikerubhini, baya emnyango wendlu. Yazala indlu lilifu, nentendelezo yazala bubumhlophe bobuqaqawuli bukaYehova.

5Savakala isandi samaphiko eekerubhi, sada saya entendelezweni engaphandle, sinjengezwi loSomandla akuthetha.

6Kwathi, akuyiwisela umthetho indoda eyambethe ilinen emhlophe, esithi, Thabatha umlilo phakathi kweevili ezijikelezayo, phakathi kweekerubhi, yasuka yangena yema ecaleni kweevili.

7Ibe isuka ke ikerubhi, isolule isandla sayo phakathi kweekerubhi, isise emlilweni ophakathi kweekerubhi, iwuthabathe, iwunikele esandleni sowambethe ilinen emhlophe; ebewuthabatha ke aphume.

8Kwabonakala ke ezikerubhini into efana nesandla somntu, phantsi kwamaphiko azo.

9Ndabona, nanzo iivili eziné zisecaleni leekerubhi, ivili enye isecaleni lekerubhi enye, ivili enye isecaleni lekerubhi enye, ukubonakala kweevili ngathi yimbonakalo yelitye lekrizolite.

10Ngokubonakala kwazo zoné bezimfani-nye, kwanga kukho ivili ngaphakathi kwevili.

11Ekuhambeni kwazo zahamba zaya kumacala azo omané; àzajikeleza ekuhambeni kwazo; ngokuba apho sukuba leyo iphambili ibe ibheka khona, zibe ziyilandela, zingajikelezi ekuhambeni kwazo.

12Ke umzimba wazo wonke, nomhlana wazo, nezandla zazo, namaphiko azo, neevili, zibe zizele ngamehlo ngeenxa zonke; zoné bezineevili zazo.

13Iivili ezo zabizwa ezindlebeni zam, kwathiwa, ziivili ezijikelezayo.

14Inye ibe inobuso obuné: ubuso bokuqala ibubuso bekerubhi, ubuso besibini ibubuso bomntu, obesithathu ibubuso bengonyama, obesiné ibubuso bokhozi.

15Zenyuka iikerubhi; yilaa nto iphilileyo, ndayibonayo emlanjeni oyiKebhare.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ekuhambeni kweekerubhi zahamba iivili ecaleni lazo; nasekuwaphakamiseni
kweekerubhi amaphiko azo, ukuba zisuke emhlabeni, azijikanga neevili zazo zimke
ecaleni lazo.

17Ekumeni kwazo zema nazo; ekusukeni kwazo ukuba ziphaphazele, zesuka nazo;
ngokuba umoya wento ephilileyo ube ukho kuzo.

Umbono wobuqaqawuli bukaThixo

18Baphuma ke ubuqaqawuli bukaYehova, bemka emnyango wendlu, beza kuma
phezu kweekerubhi.

19Iikerubhi zawaphakamisa amaphiko azo, zasuka emhlabeni emehlweni am;
ekuphumeni kwazo iivili zazingakuzo. Zema eku ngeneni kwesango lendlu kaYehova
elisempumalanga, ubuqaqawuli bukaThixo kaSirayeli buphezu kwazo ngaphezulu.

20Yilaa nto iphilileyo, ndayibonayo phantsi koThixo kaSirayeli emlanjeni oyiKebhare;
ndazi ke ukuba ziziikerubhi.

21Inye ibe inobuso obuné inye ibe inamaphiko amané, imfano yezandla zomntu
ingaphantsi kwamaphiko azo.

22Ke imfano yobuso bazo, ibe ibóbaa buso ndabubonayo emlanjeni oyiKebhare,
nokubonakala kwazo nazo ngokwazo; zibe zihamba iyileyo iye kwicala elikhangelene
nobuso bayo.

UHezekile 11

Ukugwetywa kweenkokeli ezinobutyala

1Wandifunqula uMoya, wandisa esangweni lendlu kaYehova langasempumalanga,
elibheke empumalanga; nanko, ekungeneni kwesango, kukho amadoda
engamashumi amabini anamahlanu. Ndabona phakathi kwawo uYazaniya unyana ka-
Azure, noPelatiya unyana kaBhenaya, abathetheli babantu.

2Wathi kum, Nyana womntu, ngawo la amadoda acinga inkohlakalo, aceba amacebo
amabi kulo mzi;

3atshoyo ukuthi, Alikasondeli ixesha lokwakha izindlu; lo mzi yimbiza, thina ke
siyinyama.

4Ngako oko profetela kuwo, profeta, nyana womntu.

5Wandiwela ke uMoya kaYehova, wathi kum, Yithi, Utsho uYehova ukuthi, Nitshilo
nina, ndlu kaSirayeli; nezinto ezithe qatha emoyeni wenu ndiyazazi mna.

6Ndibandisile ababuleweyo benu kulo mzi, nazizalisa izitrato zawo ngababuleweyo.

7Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ababuleweyo benu, ebe nibabeka phantsi
phakathi kwawo umzi, bayinyama, wona ke uyimbiza; nina niya kukhutshwa phakathi
kwawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Niyaloyika ikrele; ndiya kunizisela ikrele, itsho iNkosi;

9ndínikhuphe phakathi kwawo, ndininikele esandleni sabasemzini, ndizenze izigwebo kuni.

10Niya kuwa likrele; ndiya kunigweba emdeni wakwaSirayeli; názi ukuba ndinguYehova.

11Wona lo mzi awuyi kuba yimbiza kuni, aniyi kuba yinyama nina phakathi kwawo; ndiya kunigweba emdeni wakwaSirayeli,

12názi ukuba ndinguYehova; imimiselo yam anihambanga ngayo, namasiko am ànawenza; nesuka nenza ngokwamasiko eentlanga ezingeenxa zonke kuni.

13Kwathi ke ndakuprofeta, wafa uPelatiya unyana kaBhenaya. Ndawa ngobuso bam, ndakhala ngelizwi elikhulu, ndathi, Awu! Nkosi Yehova! Ùyawagqibela kuphele na wena amasalela akwaSirayeli?

Ukuthuthuzelwa kwabathinjwa

14Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

15Nyana womntu, abazalwana bakho, abazalwana bakho ngamadoda akowenu, nendlu yonke yakwaSirayeli yonke iphela, yona leyo bàthi ngayo abemi baseYerusalem, Bakúde kuYehova; linikwe thina ilizwe ukuze sime kulo.

16Ngako oko yithi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ekubeni ndibakhwelelisele ezintlangeni, ndabaphangalalisa emazweni, ke ndoba yingcwele kubo umzuzwana omncinane kuloo mazwe baye kuwo.

17Ngako oko yithi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kunibutha ezizweni, ndinihlangànise emazweni enilusali kuwo, ndininike umhlaba wakwaSirayeli.

18Baya kufika kuwo, bazisuse kuwo zonke izinto zawo ezinezothe, namasikizi awo onke.

19Ndobanika ntliziyo yimbi, ndibeke umoya omtsha ngaphakathi kwenu; ndiyisuse intliziyo yelitye enyameni yabo, ndibanike intliziyo yenyama;

20ukuze bahambe ngemimiselo yam, bagcine amasiko am bawenze, babe ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo.

21Ke bona abantliziyo ihamba ngokwentliziyo yezinto zabo ezinezothe, nezingamasikizi abo, ndiya kubanika ngokwendlela yabo entlokweni yabo; utsho uYehova.

Isiphelo sombono

22Iikerubhi zawaphakamisa amaphiko azo, kwaneevili ezingakuzo; ubuqaqawuli bukaThixo kaSirayeli baba phezu kwazo ngaphezulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Benyuka ubuqaqawuli bukaYehova, besuka phakathi komzi, bema entabeni engasempumalanga kuwo umzi.

24UMoya wandifunqula, wandisa kwelamaKaledi kubathinjwa, ndisembonweni ngoMoya kaThixo. Wenyuka wemka kum umbono ebendiwubona.

25Ndathetha kubathinjwa onke amazwi kaYehova, abendibonisile.

UHezekile 12

Imiqondiso yokuthinjwa neyokubhaca neyendlala

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, ùhleli phakathi kwendlu eneenkani; banamehlo okubona, àbaboni; baneendlebe zokuva, abeva; ngokuba bayindlu eneenkani.

3Wena ke, nyana womntu, zilungiselele iimpahla zemfuduka, ufuduke emini emehlweni abo, ufuduke endaweni yakho, uye ndaweni yimbi emehlweni abo, mhlawumbi bobona; ngokuba bayindlu eneenkani.

4Uze uyikhuphe impahla yakho ngokwempahla yemfuduka emini, emehlweni abo; ke wena uphume ngokuhlwa emehlweni abo, njengokuphuma kwabathinjwa.

5Gqobhoza eludongeni emehlweni abo, uyikhuphe ngakhona.

6Yithwale ngamagxa emehlweni abo, yikhuphe kwakuba mnyama; búgqubuthele ubuso bakho, ungalikhangeli ilizwe; ngokuba ndikwenzé isimanga kwindlu kaSirayeli.

7Ndenjenjalo, njengoko ndawiselwa umthetho ngako; ndayikhupha emini impahla yam ngokwempahla yemfuduka; ngokuhlwa ndazigqobhozela eludongeni ngesandla, ndayikhupha kwakuba mnyama, ndayithwala ngamagxa emehlweni abo.

8Kwafika ilizwi likaYehova kum kusasa, lisithi,

9Nyana womntu, indlu kaSirayeli, indlu eneenkani, ayitshongo na kuwe ukuthi, Wènza ntoni na?

10Yithi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Esi sihlabo sisingisele kwisikhulu esiseYerusalem, nakwindlu yonke kaSirayeli, abaphakathi kwayo abathinjiweyo.

11Yithi, Ndisisimanga kuni; njengoko ndenzé ngako, kuya kwenzeka ngokunjalo kubo; baya kufuduswa, bathinjwe.

12Isikhulu esiphakathi kwabo siya kuyithwala ngamagxa kuthe thsu mnyama, siphume; baya kugqobhoza eludongeni ukuba bayikhuphe ngakhona; síya kugqubuthela ubuso baso sona, kuba singayi kulikhangela ilizwe ngamehlo.

13Ndiya kuwutwabulula umnatha wam phezu kwaso, sibanjiswe ngumgibe wam, ndisìse eBhabheli, ezweni lamaKaledi; ke asiyi kulibona, noko siya kufela khona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ndiya kukuchithachitha emimoyeni yonke konke esiphahlwe kuko, abancedisi baso namahlelo aso onke, ndirhole ikrele emva kwabo;

15bazi ukuba ndinguYehova, ekubaphangalaliseni kwam ezintlangeni, ndibachithachithe emazweni.

16Ndoshiya kubo amadoda ambalwa, asìnde ekreleni, nasendlaleni, nasendyikityeni yokufa; ukuze bawabalise amasikizi abo onke ezintlangeni abaye kuzo; bázi ukuba ndinguYehova.

17Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

18Nyana womntu, wòsidla isonka sakho ungcangcazela, uwasèle amanzi akho ugungqa, unesithukuthezi.

19Wòthi ke kubantu belizwe, Itsho iNkosi uYehova ngokusingisele kubemi baseYerusalem, emhlabeni wakwaSirayeli, ukuthi, Isonka sabo bosidla benesithukuthezi, bawasele amanzi abo bemangalisiwe; ukuze ezweni labo kube senkangala, ingabikho inzaliseko yalo ngenxa yogonyamelo lwabo bonke abahleli kulo.

20Yoba ngamanxuwa imizi emiweyo, kube senkangala elizweni; názi ukuba ndinguYehova.

Ukungqinelwa kwesiprofeto senyaniso

21Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

22Nyana womntu, úyintoni na lo mzekeliso ninawo emhlabeni wakwaSirayeli, wokuthi, Imihla iyoluka, iyadaka imibono yonke?

23Ngako oko yithi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kuwenza uphele lo mzekeliso, bangabi sazekelisa ngawo kwaSirayeli; ke, yithi kubo, Isondele imihla, nesiphelo semibono yonke.

24Ngokuba akuyi kuba sabakho namnye umbono okhohlakeleyo, nokuvumisa okucengacengayo, phakathi kwendlu kaSirayeli.

25Ngokuba ndinguYehova, ndiya kuthetha; ilizwi endisukuba ndilithetha liya kwenzeka, lingayi kulibala; ngokuba ngemihla yenu, ndlundini ineenkani, ndithetha ilizwi, ndilenze; itsho iNkosi uYehova.

26Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

27Nyana womntu, yabona, indlu kaSirayeli ithi, Umbono awubonayo yena lo, ngowemihla emininzi; úprofetele amaxesha akude.

28Ngako oko yithi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Akayi kuba salityaziswa onke amazwi am; ilizwi endisukuba ndilithetha liya kwenzeka; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 13

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukuchaswa kwabaprofeti ababuxobi

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, profeta uchase abaprofeti bakwaSirayeli abaprofetayo, uthi kwabaprofeta okwentliziyo yabo, Liveni ilizwi likaYehova.

3Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yeha ke, abaprofeti abanobudenge, abalandela owabo umoya, nento abangayibonanga!

4Baba njengeempungutye emanxuweni abaprofeti bakho, Sirayeli.

5Aninyukanga niye emathutyeni, niyibìyele ngodonga indlu kaSirayeli, ukuze nakhe uluhlu lokulwa ngomhla kaYehova.

6Babona into ekhohlakeleyo nokuvumisa okungamanga, abo bathi, Útsho uYehova; uYehova engabathumanga, ukanti balinda ukuqiniswa kwelo lizwi.

7Anibonanga mbono wankohlakalo na, nakuvumisa okungamanga na, nisithi nje, Utsho uYehova; ndíngathethanga mna?

8Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa yokuba nithethe into ekhohlakeleyo, nibona amanga, ngako oko, yabonani, ndinichasile; itsho iNkosi uYehova.

9Isandla sam sichasa abaprofeti ababona into ekhohlakeleyo, bavumise amanga. Àbayi kubakho ekucweyweni kwabantu bam, bangàbhalwa encwadini yomlibo wendlu kaSirayeli, bangàngeni emhlabeni wakwaSirayeli; názi ukuba ndiyiNkosi uYehova.

10Ngenxa yokuba, ewe, ngenxa yokuba bebandwendwisile abantu bam, besithi, Luxolo, kungekho luxolo; bathi, bakwakha udonga bona, yabona, abayá balutyabeka ngodaka oluhlephukayo:

11yithi kwabatyabeka ngodaka oluhlephukayo, Luya kuwa; kuza isiphango esikhukulayo; nina ke, matye esichotho, yiwani; wena moya usisaqhwithi, ovuthuvuthuzayo, qhutha.

12Xa ke luthe lwawa udonga, akuyi kuthiwa na kuni, Kuphi na ukutyabeka enatyabeka ngako?

13Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kuqhuthisa umoya ovuthuvuthuzayo ngobushushu bam; kúze nesiphango esikhukulayo ngomsindo wam, namatye ezichotho ngobushushu, ukuze kugqityelwe kuphele.

14Ndiya kulugungxula udonga enalutyabeka ngodaka oluhlephukayo, ndiluwise emhlabeni, sityhilekile isiseko salo, luwe, niphelele kweso sithuba salo; názi ukuba ndinguYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ndobuphelelisela eludongeni ubushushu bam, nakwabatyabeka ngodaka
oluhlephukayo, ndithi kuni, Alusekho udonga, abasekho abatyabeki balo,

16abaprofeti bakwaSirayeli ababeprofeta ngeYerusalem, ababebona umbono
woxolo, kungekho luxolo; itsho iNkosi uYehova.

Ukuchaswa kwabaprofetikazi ababuxoki

17Wena ke, nyana womntu, bhekisa ubuso bakho kwiintombi zabantu bakowenu,
eziprofeta okweentliziyo zazo.

18Uze uprofete ngazo, uthi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yeha ke, abo bathunga
izibophelelo ezihlahleni zezandla zonke, benze izigubungelo ezilingene iintloko
zonke, ukuze bathiyele imiphefumlo! Nithiyéle imiphefumlo yabantu bam, nasindisa
eyenu imiphefumlo.

19Nindihlámbele kubantu bam ngenxa yerhasi esutywe ngezandla, nangenxa
yamaqhekeza esonka, ukuze nibulale imiphefumlo ebingeyakufa, nisindise
imiphefumlo ebingeyakusindiswa, ngamanga enu ebantwini bam ábava amanga.

20Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndizichasile izibophelelo zenu,
enithiyela ngazo imiphefumlo njengeentaka. Ndiya kuziqhawula ezingalweni zenu,
ndiyindulule imiphefumlo, kwaimiphefumlo eniyithiyeleyo njengeentaka.

21Ndozikrazula izigubungelo zenu, ndibahlangule abantu bam esandleni senu,
bangabi saba yinto ethiyelwayo esandleni senu; názi ukuba ndinguYehova.

22Ngenxa enokuba niyenzé buhlungu ngobuxoki intliziyo yelungisa, endingalenzanga
buhlungu mna; nazomeleza izandla zongendawo, ukuze angabuyi endleleni yakhe
embi, asindiswe:

23ngako oko aniyi kuyibona into ekhohlakeleyo ningabi savumisa nokuvumisa;
ngokuba ndiya kubahlangula abantu bam esandleni senu; názi ukuba ndinguYehova.

UHezekile 14

Ukuchaswa kwabanquli-zithixo

1Kwafika kum amadoda akumadoda amakhulu akwaSirayeli, ahlala phantsi phambi
kwam.

2Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

3Nyana womntu, la madoda anyusé izigogo zawo ezintliziyweni zawo, amisa
isikhubekiso sokuba abe gwenxa phambi kobuso bawo; ndingàquqelwa ndiquqelwe
ngawo na?

4Ngako oko thetha nawo, uthi kuwo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Elowo nalowo
wasendlwini kaSirayeli, othe wanyusa izigodo zakhe entliziyweni yakhe, wamisa
isikhubekiso sokuba abe gwenxa phambi kobuso bakhe, weza kubaprofeti: mna
Yehova ndoba ngomphendulayo ngokwam, ngokobuninzi bezigodo zakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

5ukuze ndiyixhakamfule indlu kaSirayeli ngentliziyo yabo, ekubeni beshenxile kum bonke bephela ngezigodo zabo.

6Ngako oko yithi kwindlu kaSirayeli, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Buyani nizibuyise ezigodweni zenu, nibubuyise ubuso benu kumasikizi enu onke.

7Ngokuba elowo nalowo wasendlwini kaSirayeli, nowasemzini ophambukele kwaSirayeli, othe wazahlula ekundilandeleni kwakhe, wanyusa izigodo zakhe entliziyweni yakhe, wamisa isikhubekiso sokuba abe gwenxa phambi kobuso bakhe, weza kumprofeti ukuze aquqele kum ngenxa yakhe: mna Yehova ndomphendula ngokwam.

8Ndoyichasa loo ndoda, ndiyiphanzise ibe ngumqondiso nomzekeliso, ndimnqumle ebantwini bam; názi ukuba ndinguYehova.

9Umprofeti, xa athe wathwebeshwa, wathetha ilizwi, mna Yehova ndimrhwebeshile loo mprofeti: ndosolula isandla sam phezu kwakhe, ndimtshabalalise phakathi kwabantu bam amaSirayeli.

10Baya kubuthwala ubugwenxa babo; njengoko bunjalo ubugwenxa boquqela kuye, buya kuba njalo ubugwenxa bomprofeti lowo;

11ukuze indlu kaSirayeli ingabi sandwendwa imke ekundilandeleni kwayo; bangabi sazenza iinqambi ngezikreqo zabo zonke; babe ngabantu bam, ndibe nguThixo wabo; itsho iNkosi uYehova.

Ubukho bamalungisa abunako ukusindisa isizwe esikhohlakeleyo

12Kwafika kum ilizwi likaYehova, lisithi,

13Nyana womntu, xa ilizwe lithe lóna kum lameneza ngobumenemene, ndasolula isandla sam phezu kwalo, ndawaphula kulo umsimelelo osisonka, ndathumela kulo indlala, ndanqumla kulo umntu nenkomo;

14ekho phakathi kwalo la madoda omathathu, ooNowa noDaniyeli noYobhi, wona abeya kuhlangula owawo umphefumlo kuphela ngobawo ubulungisa; itsho iNkosi uYehova.

15Ndingafanelana ndicandisa amarhamncwa ezweni, alihlutha abantwana, kwaba senkangala kulo, akwabakho unokucanda kulo ngenxa yamarhamncwa lawo;

16ekho phakathi kwalo loo madoda omathathu: ndihleli nje, itsho iNkosi, ebengayi kuhlangula nanyana nantombi; ebeya kuhlanguleka odwa; ke bekuya kuba senkangala ezweni elo.

17Nokuba ndithe ndalizisela ikrele elo lizwe, ndathi ikrele malicande kwelo lizwe, ndanqamla kulo umntu nenkomo;

18ekho phakathi kwalo loo madoda omathathu: ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, ebengàyi kuhlangula nyana nantombi; ngokuba ebeya kuhlanguleka wona odwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Nokuba ndithe ndathumela indiyikitya yokufa kwelo zwe, ndathulula ubushushu
bam phezu kwalo ngegazi, ukuze ndinqumle kulo umntu nenkomo;

20bekho phakathi kwalo ooNowa noDaniyeli noYobhi: ndihleli nje, itsho iNkosi
uYehova bebengàyi kuhlangula nyana nantombi; bona bebeya kuhlangula owabo
umphefumlo kuphela ngobabo ubulungisa.

21Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Kobeka phi na ke, xa ndithe ndathumela
eYerusalem zoziné izigwebo zam ezibi, ikrele, nendlala, namarhamncwa, nendyikitya
yokufa, ukuze kunqumke kuyo umntu nenkomo?

22Yabonani ke, kuya kusala kuyo abasindileyo, ábaya kukhutshwa, abangoonyana
neentombi; yabonani, baya kuphuma beze kuni, niyibone indlela yabo neentlondi
zabo; nithuthuzeleke ngenxa yobubi endayizisela bona iYerusalem, ngenxa yento
yonke endayizisela yona.

23Baya kunithuthuzela, xa niyibonayo indlela yabo neentlondi zabo; názi ukuba
andifumananga ndikwènze konke endakwenzayo kuyo; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 15

Umzekeliso ngomdiliya ongento yanto

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, umthi womdiliya uyidlula ngantoni na yonke eminye imithi, isebe
lomdiliya eliphakathi kwemithi yehlathi?

3Kukha kuthatyathwe umthi yini na kuwo wokusebenza umsebenzi? Kukha
kuthatyathwe nesikhonkwane na kuwo, sokuxhoma iimpahla nokuba ziziphi?

4Yabona, ufakwa emlilweni ukuba uwutshise; umlilo utshisa iincam zawo zombini,
sirhawuke isibili sawo; wówulungela na ke umsebenzi?

5Yabona, oko ube usewonke, ubungenamsebenzi; wóbeka phi na ke ukungabi
namsebenzi, xa uthe watshiswa ngumlilo, warhawuka?

6Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Njengomthi womdiliya phakathi kwemithi
yehlathi, endiwufaka emlilweni ukuze utshiswe, ndenjènjalo ukubabeka emlilweni
abemi baseYerusalem,

7Ndiya kubachasa; baya kuphuma emlilweni, umlilo uya kubatshisa; názi ukuba
ndinguYehova ekubachaseni kwam.

8Ndiya kwenza elizweni kube senkangala, ngenxa yokuba bemenezile
ngobumenemene; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 16

IYerusalem ifanekiswa nomntwana ongumcholwa owaba ngumfazi ongathembekanga

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, yazíse iYerusalem amasikizi ayo, uthi,

3Itsho iNkosi uYehova kwiYerusalem, ukuthi, Ukuvela kwakho nokuzalwa kwakho kokwasezweni lamaKanan; uyihlo waye engumAmori, unyoko waye engumHetikazi.

4Ukuzalwa kwakho ke, ngemini yokuzalwa kwakho ayinqunyulwanga imfesane yakho, akuhlanjwanga ngamanzi ukuba usuleke, akuhlikihlwanga ngatyuwa, akusongelwanga zisongelweni.

5Akubangakho liso linenceba kuwe, ukuze wenzelwe noko inye kwezo zinto, ngokuba nofefe kuwe; walahlelwa endle ngokucatshukelwa kwakho ngemini yokuzalwa kwakho.

6Ndagqitha kuwe, ndakubona ugqushagqusha egazini lakhe, ndathi kuwe, Usegazini lakho njalo, phila; usegazini lakho njalo, phila!

7Ndakwenza waba yinyambalala, njengokuntshula kwentsimi; wanda, wakhula, wafika entlahleni yezidlele; waphuma amabele, bahluma uboya bakho; waye ke wena uzé kanye.

8Ke kaloku ndagqitha kuwe, ndakubona, nalo ixesha lakho lilixesha lothando. Ndatwabulula isondo lengubo yam phezu kwakho, ndabugubungela ubuzé bakho; ndakufungela, ndanqophisana nawe, itsho iNkosi uYehova; waba ngowam ke.

9Ke ndakuhlamba ngamanzi, ndakuhlambulula amagazi akho, ndakuthambisa ngeoli.

10Ndakwambesa ngeengubo ezimfakamfele, ndakunxiba izixathula zesikhumba sehlengezi; ndakujikelisa intloko ngelinen ecikizekileyo, ndakugqubuthela ngesilika.

11Ndakuvathisa ngesivatho, ndakufaka izacholo ezihlahleni, nemixokelelwane emqaleni wakho.

12Ndakunika ikhonkco lempumlo, namajikazi ezindlebeni zakho, nesithsaba sokuhomba entloko.

13Wavatha ke igolide nesilivere, nezambatho zakho zaba zezelinen ecikizekileyo, nezesilika, nezimfakamfele. Wadla umgubo ocoliweyo, nobusi, neoli; waba mhle kakhulu kunene, waya uphumelela ebukumkanini.

14Lwaphuma udumo lobuhle bakho lwagqiba ilizwe lonke; ngokuba bapheleliseka bona ngobungangamela bam, endabubeka phezu kwakho; itsho iNkosi uYehova.

15Wesuka wena wakholosa ngobuhle bakho, wahenyuza ngenxa yodumo lwakho; ubuhenyu bakho wabuthululela phezu kwabo bonke abadlulayo, waba ngowabo.

16Wathabatha ezingutyeni zakho; izigànga wazenzela iintente ezirhwexu, wahenyuza phezu kwazo; into ebe ingafanele kuza, ebe ingafanele kubakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Wathabatha iimpahla zakho zokuhomba zegolide yam, nezesilivere yam endakunikayo, wazenzela imifanekiso engamadoda, wahenyuza nayo.

18Wathabatha iingubo zakho ezimfakamfele, wayigubungela ngazo; neoli yam nesiqhumiso sam wasibeka phambi kwayo.

19Isonka sam endakunikayo, nomgubo ocoliweyo, neoli, nobusi, izinto endakudlisayo zona, wazibeka phambi kwayo, ukuba zibe livumba elithozamisayo. Kwaba njalo; itsho iNkosi uYehova.

20Wathabatha oonyana bakho neentombi zakho, owazizalela mna, wabingelela ngazo kuyo ukuba idle. Bebubuncinane na ke ubuhenyu bakho,

21ukuba nje ubasike oonyana bam, ubanikele ngokubacandisa bona emlilweni ngenxa yayo?

22Emasikizini akho onke, nasebuhenywini bakho, akuyikhumbulanga imihla yobuncinane bakho, oko ubuze kanye, ugqushagqusha egazini lakho.

23Kwaza kwathi, emva kwezo nto zakho zonke ezimbi (yeha! yeha ke wena! itsho iNkosi uYehova),

24wazakhela amanqugwala, wazenzela iindawo eziphakamileyo ezitratweni zonke.

25Emantloko eendlela zonke wazakhela iindawo zakho eziphakamileyo, wabenza ubuhle bakho balisikizi, wayithi qheke imilenze yakho kubo bonke abadlula ngendlela, wabandisa ubuhenyu bakho.

26Wahenyuza noonyana bamaYiputa, abamelwane bakho abakhulu ngenyama; wabandisa ke ubuhenyu bakho ukuze undiqumbise.

27Yabona, ndasolula phezu kwakho isandla sam, ndawunciphisa umamkeliso owumiselweyo, ndakunikela elitheni labakuthiyayo, kweleentombi zamaFilisti, ezibe ziyidanele indlela yakho yamanyala.

28Wahenyuza noonyana baseAsiriya, ngenxa yokuba unganelanga; wahenyuza ke nabo, akwanela noko.

29Wabandisela ezweni lamaKanan ubuhenyu bakho kwelamaKaledi, akwanela nayiloo nto.

30Hayi, ukuthamba kwentliziyo yakho! itsho iNkosi uYehova; ukuba wénze zonke ezo zinto, imisebenzi yenkazana ehenyuzayo, esileyo.

31Ekwakheni kwakho amanqugwala emantloko eendlela zonke, nasekwenzeni kwakho iindawo zakho eziphakamileyo ezitratweni zonke, akubanga njengehenyukazi eli, ngokusuka uwucukuceze umvuzo wobuhenyu.

32Umfazi okrexezayo wamkela abasemzini, noko angumkamntu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Onke amahenyukazi bawanika izipho; ke wena wazinika zonke izithandane zakho izipho zakho, wazicenga ukuze zize kuwe ngeenxa zonke ekuhenyuzeni kwakho.

34Wena okwakho ukuhenyuza kuthe kwaphambana nokwamankazana, ngokuthi ingabi nguwe olandelwayo ekuhenyuzeni; ngokuthi urhole wena umvuzo wobuhenyu, ungàrholelwa umvuzo wobuhenyu; waba ngophambileyo ke.

35Ngako oko, henyukazi, live ilizwi likaYehova.

36Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba iphalele imali yakho, batyhileka ubuzé bakho ngokuhenyuza kwakho nezithandane zakho, nangenxa yezigodo zonke zamasikizi akho, nangenxa yamagazi oonyana bakho, owabanikelayo kuzo:

37ngako oko, yabona, ndiya kuzithabatha zonke izithandane zakho owakholisana nazo, nabo bonke owabathandayo, ndawonye nabo bonke owabathiyayo, ndibahlanganise, ndikuchase ngeenxa zonke, ndibutyhile ubuzé bakho kubo, babubone ubuzé bakho bonke.

38Ndokugweba ngokugwetywa kwabakrexezikazi nabaphalazi begazi, ndikwenze wena ube ligazi lobushushu nobukhwele.

39Ndokunikela esandleni sabo, bawagungxule amanqugwala akho, bazidilize iindawo zakho eziphakamileyo, bakuhlube iingubo zakho bazithabathe iimpahla zakho zokuhomba, bakushiye uzé kanye.

40Baya kukunyusela ibandla, bakuxulube ngamatye, bakuxabele ngamakrele abo;

41bazitshise izindlu zakho ngomlilo, bazenze kuwe izigwebo emehlweni abafazi abaninzi, ndikunqumamise ungabi saba lihenyu, ungabi, sarhola umvuzo wobuhenyu.

42Ndobupholisela kuwe ubushushu bam, limke ikhwele lam kuwe, ndizole, ndingabi saqumba.

43Ngenxa enokuba ungayikhumbulanga imihla yobuncinane bakho, wesuka wangqungisana nam kwezi zinto zonke: yabona, nam ndikunika ngokwendlela yakho entlokweni yakho, itsho iNkosi uYehova, ukuze ungenzi manyala angaphezu kwamasikizi akho onke.

44Yabona, bonke abazekelisi baya kuzekelisa ngawe, besithi, Ifuzé unina intombi yakhe.

45Wena uyintombi yonyoko, odimeleyo yindoda yakhe nabantwana bakhe; wena ungudade woodade benu, abadimeleyo ngamadoda abo nabantwana babo; unyoko ngumHetikazi, uyihlo ngumAmori.

46Udade wenu omkhulu nguSamari namagxamesi akhe, ehleli ngasekhohlo kwakho; nomsakwenu omncinane kuwe, ehleli ngasekunene kwakho, yiSodom namagxamesi ayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

47Akuhambanga ke ngeendlela zabo, wenzè ngokwamasikizi abo; ukanti ngomzuzwana wonakalisé ngaphezu kwabo ngeendlela zakho zonke.

48Ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, iSodom umsakwenu, yona namagxamesi ayo, ayenzanga njengoko wenzé ngako wena namagxamesi akho.

49Nabu ke ubugwenxa beSodom umsakwenu; yabe ilikratshi, nokuhlútha sisonka, nokuchulumacha, yona namagxamesi ayo; àyabamba ngesandla abaziintsizana nabangamahlwempu.

50Babezidla, besenza amasikizi phambi kwam; ndabasusa, ndakukubona oko.

51NoSamari akonanga ngokwesiqingatha sezono zakho; waye wena uwandisile amasikizi akho ngaphezu kwakhe, wabenza amalungisa odade benu, ngamasikizi akho owenzileyo.

52Nawe, thwala ke ihlazo lakho, olibalele kodade benu. Ngezono zakho owazenza ngokumasikizi kunabo, ubenzé baba ngamalungisa kunawe; dana ke nawe, ulithwale ihlazo lakho; ekubeni ubenze amalungisa oodade benu.

53Ekukubuyiseni kwam ukuthinjwa kwabo, ukuthinjwa kweSodom namagxamesi ayo, nokuthinjwa koSamari namagxamesi akhe, ndokubuyisa ukuthinjwa okukuthinjwa kwakho phakathi kwabo;

54ukuze ulithwale ihlazo lakho, uzidanele izinto zonke ozenzileyo, ubathuthuzele.

55Baya kuthi abasakwenu, iSodom namagxamesi ayo, babuyele kwakwisimo sabo sangaphambili, noSamari namagxamesi akhe babuyele kwakwisimo sabo sangaphambili, nawe namagxamesi akho nibuyele kwakwisimo senu sangaphambili.

56ISodom umsakwenu ayibanga sifundo emlonyeni wakho ngemini yamakratshi akho;

57zingekatyhilwa izinto zakho ezimbi, njengasexesheni lesingcikivo samagxamesi akwa-Aram nesangeenxa zonke kuye, samagxamesi amaFilisti, awakucukulayo ngeenxa zonke.

58Amanyala akho namasikizi akho uwathwele; utsho uYehova.

59Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndènza ke kuwe njengoko wenzé ngako wena, osidelileyo isifungo, ukuba uwaphule umnqophiso.

Kodwa ke uThixo uyawukhumbula umnqophiso wakhe

60Ndiya kuwukhumbula mna umnqophiso wam nawe ngemihla yobuncinane bakho, ndikumìsele umnqophiso ongunaphakade.

61Wòzikhumbula iindlela zakho, udane ekubamkeleni kwakho oodade benu, abakhulu kunawe kunye nabancinane kunawe; ndikunike babe ziintombi kuwe, noko bengengabomnqophiso wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

62Ndowumisa mna umnqophiso wam nawe, wazi ukuba ndinguYehova;

63ukuze ukhumbule, udane, ungabi saba nakuvula mlomo ngenxa yehlazo lakho, ekukuxoleleni kwam zonke izinto ozenzileyo; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 17

Umzekeliso wamaxhalanga amabini nomdiliya, nentsingiselo yawo

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, jika iqhina, uzekelise ngomzekeliso kwindlu kaSirayeli, uthi,

3Itsho iNkosi uYehova ukuthi: Ixhalanga elikhulu, elimaphiko makhulu, elintsiba zolukileyo, eliboya buqhamileyo, buchokochoko, leza eLebhanon, lathabatha amantloko omsedare.

4Laqhawula eliphezulu emahlamvini awo, lalisa ezweni lakwaKanan, lalimisa emzini wabarhwebi.

5Lacaphula embewini yelo zwe, layifaka entsimini ehlwayelwayo, layithabatha layisa kumanzi amaninzi, layimisa ngokomngculuba.

6Yahluma, yaba ngumdiliya onabileyo, omfuphi, ukuze amasebe awo asinge kulo, neengcambu zawo zibe phantsi kwalo; waba ngumdiliya ke, wenza amasebe, waqhama amagqabi.

7Kwabakho elinye ixhalanga elikhulu, elimaphiko makhulu, linoboya obuninzi. Nango lo mdiliya unabela ngakulo ngeengcambu zawo, ugobela ngakulo amasebe awo, ukuba liwanyele ezindimeni otyelwe kuzo.

8Ubutyelwe entsimini elungileyo wona, ngasemanzini amaninzi, ukuze wenze amasebe, uxakathe iziqhamo, ukuba ube ngumdiliya onguwona unguwo.

9Yithi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Wómila na? Elaa xhalanga aliyi kuzinyothula na iingcambu zawo, lizinqumle iziqhamo zawo, ubune, athi onke amagqabi amatsha okuhluma kwawo abune, kungabi nangangalo inkulu nangabantu baninzi, ukuwususa ezingcanjini zawo?

10Yabona, khona utyelwe, wómila na? Awuyi kubuna ubune na, wakufikelwa lulophu lwasempumalanga? Úya kubunela ezindimeni ohlume kuzo.

11Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

12Khawuthi kwindlu eneenkani, Anikwazi na ukuba kuyintoni na oko? Yithi, Yabonani, ukumkani waseBhabheli weza eYerusalem, wamthabatha ukumkani wayo nabathetheli bayo, wabása kuye eBhabheli.

13Wathabatha owasembeweni yokumkani, wanqophisana naye, wamfungisa; wathabatha iinjengele zelizwe elo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

14ukuze bube bubukumkani obuphantsi, ukuze bungàziphakamisi, ukuze awugcine umnqophiso wakhe, ukuze ume wona.

15Wasuka ke wagwillika kuye ngokuthuma abathunywa bakhe eYiputa, ukuze anikwe amahashe nabantu abaninzi. Wóba nempumelelo na? Wósinda na owenze loo nto? Wówaphula umnqophiso, asinde na ke?

16Ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, inyaniso, endaweni yokumkani owamenza ukumkani, osifungo asidelileyo, omnqophiso awaphuleyo, úya kufela kuyo, esazulwini seBhabheli.

17UFaro akayi kumnceda ngampi inkulu nangasikhungu sikhulu emfazweni, kwakùfunjwa udonga lokungqinga, kwakhiwe inqaba zokubonisela; ukuze inqunyulwe imiphefumlo emininzi.

18Ekubeni esidelile isifungo, ukuba awaphule umnqophiso, yabona, uniké isandla sakhe, waza noko wenza zonke ezi zinto; akayi kusinda.

19Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndihleli nje, inyaniso, isifungo sam asidelileyo, nomnqophiso wam awaphuleyo, ndiya kumnika entlokweni yakhe.

20Ndowutwabulula phezu kwakhe umnatha wam, abanjiswe ngumgibe wam, ndimse eBhabheli, ndimangalelane naye khona ngenxa yomenezo lwakhe, andimenezele ngalo.

21Baya kuwa likrele bonke abasabileyo bakhe emahlelweni akhe onke, namasalela athiwe saa qhu kwimimoya yonke; nàzi ukuba mna Yehova ndithethile.

22Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Mna ndiya kuthabatha ke ihlamvu emantloko omsedare omde, ndilimise; emahlamvini awo aphezulu ndiya kuqhawula elithambileyo, ndilityale mna entabeni ephakamileyo, ende.

23Ndiya kulityala ke entabeni ende yakwaSirayeli, linyuse amasebe, lixakathe iziqhamo, libe ngumsedare ongowona unguwo, zihlale phantsi kwawo zonke iintaka zeentlobo ngeentlobo; ziya kuhlala emthunzini wamasebe awo.

24Iya kwazi yonke imithi yasendle, ukuba mna Yehova ndiwuthobile umthi ophakamileyo, ndiwuphakamisile umthi omfuphi; ndiwomisile umthi omanzi, ndiwuqhamisile umthi owomileyo. Mna Yehova ndithethile, ndenza.

UHezekile 18

Umphefumlo owonayo uya kufa

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Úyintoni na kuni lo mzekeliso, nizekelisa ngawo emhlabeni wakwaSirayeli, nisithi, ooyise badle iidiliya ezimuncu, kwaba buthelezi amazinyo oonyana?

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova ukuthi, anisayi kuba sazekelisa ngalo mzekeliso
kwaSirayeli.

4Yabonani, yonke imiphefumlo yeyam; umphefumlo woyise unjengomphefumlo
wonyana, yeyam yomibini; umphefumlo owonayo, kuya kufa wona.

5Umntu xa athe waba lilungisa, wenza ngokwesiko nangobulungisa;

6akadlela ezintabeni, amehlo akhe akawaphakamisela kwizigodo zendlu
yakwaSirayeli; umfazi wommelwane wakhe àkamenza inqambi, akasondela kumfazi
enomzí;

7akamxinzelela phantsi umntu, wasibuyisa isibambiso sokuboleka kwakhe,
akaxhakamfula; wamnika olambileyo isonka sakhe, wamgubungela ozé ngengubo;

8akanikela imali ukuba adle abanye ngayo, akathabatha nzala yamboleko; wasibuyisa
isandla sakhe ekugqwetheni, wenza ngokwesiko nangenyaniso phakathi kobani
nobani; wahamba ngemimiselo yam,

9wagcina amasiko am, ukuba enze ngenyaniso: úlilungisa, inene uya kuphila; itsho
iNkosi uYehova.

10Ke ethe wazala unyana osisigwinta, ophalaza igazi, owenza nokuba inye kwezo
zinto,

11ke yena ezo nto zonke engazenzanga, unyanakananjalo odlela ezintabeni, omenza
inqambi umfazi wommelwane wakhe;

12oluxinzelela phantsi usizana nehlwempu, oxhakamfulayo, ongasibuyisiyo
isibambiso; owaphakamisela kwizigodo amehlo akhe, owenza amasikizi;

13onikela imali ukuba adle abanye ngayo, othabatha inzala yemboleko: wophila na
ke loo nyana? Akayi kuphila; wenzé onke la masikizi; uya kubulawa afe; igazi lakhe
liya kuba phezu kwakhe.

14Yabonani ke, ethe yena lo wazala unyana, othe wazibona zonke izono zikayise
azenzayo, abone ke, angènjenjalo;

15angadleli ezintabeni, amehlo akhe angawaphakamiseli kwizigodo zendlu kaSirayeli,
umfazi wommelwane wakhe angamenzi inqambi;

16angamxinzeleli phantsi umntu, angabambisi ngesibambiso, angaxhakamfuli; isonka
sakhe asinike olambileyo, amgubungele ozé ngengubo;

17abuyise isandla sakhe kolusizana; angadli abanye ngemali, angathabathi nzala
yamboleko, wenza ngokwamasiko am, uhamba ngemimiselo yam: lowo unyana akayi
kufa ngobugwenxa bukayise; inene uya kuphila.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Uyise yena, ngokokuba ecudisile kakubi, exhakamfula umzalwana, wenza okungalungileyo phakathi kwabantu bakowabo, yabonani, uya kufa ngobugwenxa bakhe.

19Ukanti nìthi ke, Kungàthuba lini na ukuba unyana angabuthwali ubugwenxa bukayise? Unyana kaloku wenzé ngokwesiko nangobulungisa; uyigcinile yonke imimiselo yam, wayenza; inene, uya kuphila.

20Umphefumlo owonayo, kuya kufa wona wodwa. Unyana akayi kuthwala ubugwenxa bukayise, noyise akayi kubuthwala ubugwenxa bonyana; ubulungisa belungisa buya kuba phezu kwalo, nokungendawo kongendawo kuya kuba phezu kwakhe.

UThixo akakuthandi ukufa kongendawo

21Ongendawo ke, xa athe wabuya ezonweni zakhe zonke azenzileyo, wayigcina yonke imimiselo yam, wenza ngokwesiko nangobulungisa, inene, uya kuphila; akayi kufa.

22Zonke izikreqo zakhe azenzileyo aziyi kukhunjulelwa kuye; ngobulungisa bakhe abenzileyo, uya kuphila.

23Kumnandi na kanene kum ukufa kongendawo? Itsho iNkosi uYehova. Okumnandi kum asikuko na ukuthi abuye ezindleleni zakhe, aphile?

24Khona ekubuyeni kwelungisa ebulungiseni balo, lenza ngobugqwetha, ngokwamasikizi awenzileyo ongendawo, lophila na lona? Yonke imisebenzi yalo yobulungisa elayenzayo ayiyi kukhunjulwa; ngenxa yobumenemene balo elimeneze ngabo, nangenxa yezono zalo eloné ngazo: ngenxa yezo zinto liya kufa.

25Ukanti nithi ke, Indlela yeNkosi ayilungelelene. Khanive, ndlu kaSirayeli; indlela yam ayilungelelene, yini na? Asizezenu na iindlela ezingalungeleleneyo?

26Xa lithe ilungisa labuya ebulungiseni balo, lenza ngobugqwetha, lofa ngezo zinto; lofa ngobugqwetha balo elibenzileyo.

27Xa athe ongendawo wabuya kokungendawo kwakhe akwenzileyo, wenza ngokwesiko nangobulungisa, yena uya kuwusindisa umphefumlo wakhe.

28Ekubeni ebonile, wabuya ezikreqweni zakhe zonke azenzileyo, uya kuphila; akayi kufa.

29Ukanti ithi ke indlu kaSirayeli, Indlela yeNkosi ayilungelelene. Iindlela zam azilungelelene na, ndlu kaSirayeli? Asizezenu na iindlela ezingalungeleleneyo?

30Ngako oko ndiya kunigweba elowo ngokwendlela yakhe, ndlu kaSirayeli; itsho iNkosi uYehova. Buyani, nizibuyise ezikreqweni zenu zonke, bungabi sisikhubekiso ubugwenxa kuni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Lahlani zonke izikreqo zenu enikreqe ngazo, nizenzele intliziyo entsha nomoya omtsha. Yini na ukuba nife, ndlu kaSirayeli?

32Ngokuba akumnandi kum ukufa kofayo; itsho iNkosi uYehova. Zibuyiseni ke niphile.

UHezekile 19

Isililo ngoSirayeli ofanekiswa nengonyama evalelweyo nakunye nomdiliya obhuqiweyo

1Wena ke, yenza isijwili ngezikhulu zakwaSirayeli, uthi,

2Úyintoni na unyoko? Ingonyamakazi, ebuthume phakathi kweengonyamakazi, ewondlela amathole ayo phakathi kweengonyama ezintsha.

3Yakhulisa elinye ematholeni ayo, laba yingonyama entsha, lafunda ukuqwenga iinyamakazi; ladla abantu.

4Iintlanga zahlaba umkhosi ngalo, labanjiswa emhadini wazo; zalisa ezweni lamaYiputa, lifakwé amakhonkco.

5Yakubona ingonyamakazi ukuba aliphumeleli, lidakile ithemba layo, yathabatha elinye ematholeni ayo, yalenza ingonyama entsha.

6Lahambahamba phakathi kweengonyamakazi, laba yingonyama entsha, lafunda ukuqwenga iinyamakazi; labadla abantu.

7Labazi abahlolokazi babo, layenza amanxuwa imizi yabo, kwaba senkangala kwilizwe nakwinzaliseko yalo, ngezwi lokubharhula kwalo.

8Iintlanga zaba ngeenxa zonke emazweni, zamisa kulo, zawutwabulula phezu kwalo umnatha wazo, labanjiswa emhadini wazo.

9Zalifaka endlwaneni linamakhonkco zalísa kukumkani waseBhabheli, zalisa ezimboniselweni, ukuze ilizwi lalo lingabi savakala ezintabeni zakwaSirayeli.

10Unyoko ubenjengomdiliya, otyelwe ngasemanzini, ekuphumleni kwakho, waqhama, wanamasebe amaninzi ngenxa yamanzi amaninzi.

11Waba namasebe aqinileyo okuba ziintonga zabalawuli. Ubude bawo baphakama baphezulu, phakathi kweengqimba zamafu; wabonakala ekuphakameni kwawo ngobuninzi bamasebe awo.

12Wanyothulwa ke ngobushushu, wakhahlelwa emhlabeni, ulophu lwasempumalanga lwazomisa iziqhamo zawo; axhuzulwa oma amasebe awo aqinileyo, atsha ngumlilo.

13Ngoku ke utyelwe entlango, ezweni elingumqwebedu, elomileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Kuphumé ke umlilo emahlamvini amasebe awo, wazitshisa iziqhamo zawo,
akwabakho sebe liqinileyo kuwo, lokuba yintonga yokulawula. Sisijwili ke, saye siya
kuba sisijwili.

UHezekile 20

Unqulo-zithixo lwamandulo kwaSirayeli lubaliselwa amadoda amakhulu abuzayo

1Ke kaloku kwathi ngomnyaka wesixhenxe, ngenyanga yesihlanu, ngolweshumi
enyangeni leyo, kwafika amadoda, evela kumadoda amakhulu akwaSirayeli, ukuba
abúzise kuYehova. Ahlala phantsi phambi kwam.

2Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

3Nyana womntu, thetha namadoda amakhulu akwaSirayeli, uthi kuwo, Itsho iNkosi
uYehova ukuthi, Nizé kubúzisa kum na? Ndihleli nje, unakànye ukuba ndibuzwe nini;
itsho iNkosi uYehova.

4Uza kubagweba na, uza kugweba na, nyana womntu? Bazíse ke amasikizi ooyise.

5Yithi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngemini endamnyulayo uSirayeli,
endayiphakamiselayo isandla sam imbewu yendlu kaYakobi, endazazísayo kubo
ezweni laseYiputa, endabapha kamisela isandla sam, ndisithi, NdinguYehova uThixo
wenu:

6ngaloo mini kanye, ndabaphakamisela isandla sam, ukuze ndibakhuphe ezweni
laseYiputa, ndibase ezweni endabahlolelayo lona, elibaleka amasi nobusi, liligugu
kunamazwe onke.

7Ndathi kubo, Lahlani elowo izinto ezinezothe zamehlo akhe, ningazenzi iinqambi
ngezigodo zaseYiputa; ndinguYehova uThixo wenu.

8Basuka baba neenkani kum, àbavuma ukundiphulaphula, àbazilahla elowo izinto
ezinezothe zamehlo akhe, àbazishiya izigodo zaseYiputa. Ndathi ke, ndiya kuthulula
ubushushu bam phezu kwabo, ndiwuphelelisele kubo umsindo wam phakathi
kwelizwe laseYiputa.

9Koko ndenzáyo ngenxa yegama lam; ukuze lingàhlanjelwa emehlweni eentlanga,
ababephakathi kwazo, endazazísa kubo emehlweni azo, ekubakhupheni kwam
ezweni laseYiputa.

10Ndabakhupha ke ezweni laseYiputa, ndabása entlango;

11ndabanika imimiselo yam, ndabazísa namasiko am, awothi umntu ewenzile, aphile
ngawo.

12Kananjalo ndabanika iisabatha zam, ukuba zibe ngumqondiso phakathi kwam
nabo, ukuze bazi ukuba mna Yehova ndiya bangcwalisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Indlu kaSirayeli yesuka yaba neenkani kum entlango; àbahamba ngemimiselo yam;
bawacekisa amasiko am, awothi umntu ewenzile, aphile ngawo; bazihlambela
kakhulu iisabatha zam. Ndathi ke, ndiya kuthulula ubushushu bam phezu kwabo
entlango, ukuze ndibagqibele.

14Koko ndenzáyo ngenxa yegama lam; ukuze lingahlanjelwa emehlweni eentlanga,
endabakhuphayo emehlweni azo.

15Kananjalo mna ndabaphakamisela isandla entlango, ukuba ndingàbasi ezweni
endandibanikile, elibaleka amasi nobusi, liligugu kunamazwe onke;

16ngenxa yokuba bawacekisáyo amasiko am, àbahamba ngemimiselo yam,
bazihlambela iisabatha zam; ngokuba intliziyo yabo yazilandela izigodo zabo.

17Koko laba nenceba iliso lam kubo, ukuba ndingabatshabalalisi, ndingabagqibeli
entlango.

18Ndathi ke koonyana babo entlango, Musani ukuhamba ngemimiselo yooyihlo,
ningawagcini amasiko abo, ningazenzi iinqambi ngezigodo zabo.

19Mna Yehova ndinguThixo wenu; hambani ngemimiselo yam, niwagcine amasiko
am, niwenze;

20nizingcwalise iisabatha zam, zibe ngumqondiso phakathi kwam nani, ukuze názi
ukuba ndinguYehova uThixo wenu.

21Basuka oonyana baba neenkani kum; àbahamba ngemimiselo yam, àbawagcina
amasiko am ukuba bawenze, awothi umntu ewenzile aphile ngawo; bazihlambela
iisabatha zam. Ndathi ke, ndiya kuthulula ubushushu bam phezu kwabo,
ndiphelelisele umsindo wam kubo entlango.

22Koko ndasibuyisayo isandla sam, ndenza ngenxa yegama lam, ukuba lingahlanjelwa
emehlweni eentlanga, endabakhuphayo emehlweni azo.

23Kananjalo ndabaphakamisela isandla sam entlango, ukuba ndibachithachithe
ezintlangeni, ndibaphangalalisele emazweni;

24ngenxa enokuba bengawenzanga amasiko am, bayicekisayo imimselo yam,
bazihlambela iisabatha zam, amehlo abo alandela izigodo zooyise.

25Nam ndabamisela imimiselo engabalungeleyo, namasiko abangenakuphila ngawo.

26Ndabenza iinqambi ngezipho zabo, ekucandiseni kwabo emlilweni yonke into evula
isizalo, ukuze ndibaphanzise; ukuze bazi ukuba ndinguYehova.

27Ngako oko, thetha kwindlu kaSirayeli, nyana womntu, uthi kubo, Itsho iNkosi
uYehova ukuthi, Ooyihlo babuye bandinyelisa nangale nto, ekumenezeni kwabo
ababemeneza ngako kum.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Kuba xenikweni ndabasayo ezweni endasiphakamiselayo isandla sam sokuba ndibanike lona, basuka bakhangela zonke iinduli ezinde, nemithi yonke ethe shinyi; bayibingelela khona imibingelelo yabo, banikela khona imisondezo yabo equmbisayo, babeka khona ivumba lamadini abo elithozamisayo, bathululela khona iminikelo yabo ethululwayo.

29Ndathi ke kubo, Esi sigánga niya kuso siyintoni na? Igama laso ke kuthiwa, siSigánga, unanamhla.

30Ngako oko yithi kwindlu kaSirayeli, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Nizenzé iinqambi ngendlela yooyihlo, nihenyuze ngokulandela izinto zabo ezinezothe nje;

31nizenzé iinqambi ezigodweni zenu ngokunikela izipho zenu, nangokuba candisa emlilweni oonyana benu nanamhlanje; mna ndingábuzwa níni na, ndlu kaSirayeli? Ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, andiyi kubuzwa níni, nakanye.

32Loo nto ithe qatha emoyeni wenu, ayiyi kubakho nokubakho: leyo nithi, Siya kuba njengeentlanga, njengemizalwane yamazwe, silungiselele kwimithi namatye.

33Ndihleli nje, inyaniso, itsho iNkosi uYehova, ngesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo, nangobushushu obuthululwayo, ndiya kuba ngukumkani phezu kwenu.

34Ndonikhupha ezizweni, ndinibuthe emazweni enaphangalaliswa kuwo, ngesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo, nangobushushu obuthululwayo,

35Ndiya kunísa kwintlango yezizwe, ndimangalelane nani, sikhangelane ebusweni;

36njengoko ndamangalelana nooyihlo kwintlango yelizwe laseYiputa, ndiya kwenjenjalo ukumangalelana nani; itsho iNkosi uYehova.

37Ndoniphumelisa phantsi kwentonga, ndinibophelele ngomnoqophiso;

38ndibakhèthe kuni abagwilikayo nabakreqayo kum. Ndiya kubakhupha ezweni lokuphambukela kwabo; ke akuyi kungena namnye emhlabeni wakwaSirayeli, ukuze názi ukuba ndinguYehova.

39Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Nina ke, ndlu kaSirayeli, hambani, nikhonze elowo isigodo sakhe; kodwa emveni koko, inyaniso, niya kundiphulaphula, ningabi salihlambela igama lam elingcwele ngezipho zenu nangezigodo zenu.

Ubuyiselo lukaSirayeli luxelwa kwangaphambili

40Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Entabeni yam engcwele, entabeni ende yakwaSirayeli, khona apho iya kundikhonza yonke indlu yakwaSirayeli, yonke iphela ezweni; khona apho baya kuba likholo kum; khona apho ndiya kubiza imirhumo yenu neentlahlela yezipho zenu, entweni yenu yonke eniyingcwalisayo.

41Niya kuba likholo kum ninevumba elithozamisayo, ekunikhupheni kwam ezizweni; ndinibuthe emazweni enaphangalaliswa kuwo, ndizingcwalisele kuni emehlweni eentlanga;

© 1975 Bible Society of South Africa.

42názi ukuba ndinguYehova, ekuniseni kwam emhlabeni wakwaSirayeli, ezweni endasiphakamisela isandla sam sokuba ndilinike ooyihlo,

43Niya kuzikhumbula khona iindlela zenu neentlondi zenu zonke, enazenza iinqambi ngazo; nizikruqukele ngokwenu ngenxa yazo zonke izinto ezimbi enizenzileyo;

44názi ukuba ndinguYehova, ekuniphatheni kwam ngenxa yegama lam, kungekhona ngokweendlela zenu ezimbi, nangokweentlondi zenu ezibolileyo, ndlu kaSirayeli; itsho iNkosi uYehova.

Isiprofeto ngomlilo kwelasezantsi

45Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

46Nyana womntu, bhekisa ubuso bakho kwelasezantsi, uwise intetho usingise ezantsi, uprofete ngehlathi lelizwe lasezantsi;

47uthi kwihlathi lelizwe lasezantsi, Live ilizwi likaYehova; itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndifaka umlilo kuwe, utshise kuwe wonke umthi omanzi, nawo wonke umthi owomileyo. Akuyi kucima dangatye lamadangatye; borhawuka ubuso babantu bonke, kuthabathele ezantsi kuse entla,

48Yobona yonke inyama, ukuba mna Yehova ndiwubasile; awuyi kucinywa.

49Ndathi, Awu! Nkosi Yehova, bathi ngam lo, Akenzi ngemizekeliso kodwa na?

UHezekile 21

Ikrele likaYehova lokuchasa uSirayeli

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, bhekisa ubuso kwiYerusalem, uwise intetho ezingcweleni, uprofete ngomhlaba wakwaSirayeli.

3Yithi kumhlaba wakwaSirayeli, Utsho uYehova ukuthi, Yabona, ndikuchasile; ndirhola ikrele lam esingxotyeni salo, ndinqumle kuwe ilungisa nongendawo.

4Ngenxa ke enokuba ndiya kunqumla kuwe ilungisa nongendawo, ngako oko liya kuphuma ikrele lam esingxotyeni salo, liye enyameni yonke, lithabathele ezantsi lise entla;

5yazi yonke inyama, ukuba mna Yehova ndilirholile ikrele lam esingxotyeni salo; alisayi kuba sabuya libuye.

6Wena ke, nyana womntu, ncwina; uqhekeke amanqe, uncwine nangobukrakra, emehlweni abo.

7Kothi, xa bathe kuwe, Ùncwinelani na? uthi, Kungenxa yeendaba, ngokuba zisiza; kuya kunyibilika zonke iintliziyo, ziwe zonke izandla, incame yonke imimoya, amadolo onke angabi namandla. Yabona, ziyeza, ziya kubakho; itsho iNkosi uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

9Nyana womntu, profeta uthi, Utsho uYehova ukuthi, Ikrele, ikrele liloliwe, likhazimlisiwe nokukhazimliswa.

10Liloliwe ukuze lixhele libulale; likhazimlisiwe ukuze limenyezele njengombane. Ngesiba nemihlali sithi, Intonga yonyana wam le icekisa imithi yonke na?

11Linikelwe ukuba likhazimliswe, liphathwe ngesandla; liloliwe ikrele elo, likhazimlisiwe elo, ukuba linikelwe esandleni sombulali.

12Khala ubhomboloze, nyana womntu; ngokuba lithene mbende nabantu bam, lithene mbende nezikhulu zonke zakwaSirayeli; zizisulu zekrele kunye nabantu bam; ngako oko tywakraza ethangéni.

13Ngokuba sekucikidiwe; hi, kothini na ukuba nentonga ecekisayo? Akuyi kuba njalo; itsho iNkosi uYehova.

14Wena ke nyana womntu, profeta, utywakraze izandla; liphindwe okwesithathu ikrele, ikrele lababuleweyo; likrele lobuleweyo, lalowo mkhulu, elibarawulayo.

15Ukuze intliziyo ithe amandla, zande izikhubekiso, ndiwamisele amasango abo onke ikrele elijikajikayo. Awu! Lenzelwe ukuba libe njengombane, lithiwe rhuthu ukuba libulale.

16Tyekela ngasekunene, guqukela ekhohlo, apho lubhekisa khona uhlangothi lwakho.

17Nam ndiya kuzitywakraza izandla zam, ndibupholise ubushushu bam, mna Yehova ndithethile.

IBhabheli ichasa uYuda noAmon

18Kwafika kum ilizwi likaYehova, lisithi,

19Wena ke, nyana womntu, zimisele iindlela ezimbini, ukuze lize ngazo ikrele lokumkani waseBhabheli; maziphume zweni-nye zombini, ukrole umalathiso, uwukrole emantloko endlela yomzi.

20Misa indlela, ukuze ikrele lifike eRabha yoonyana baka-Amon, nakwelakwaYuda, eYerusalem enqatyisiweyo.

21Kuba ukumkani waseBhabheli umise ekwahlukaneni kweendlela, emantloko eendlela zombini, ukuze ahlabe isihlabo; uhlukuhla iintolo, ubuza kwimilondekhaya, ukhangela esibindini.

22Esandleni sakhe sokunene isihlabo sihlabe iYerusalem, ukuze kumiswe izinto zokutyhomfa, uhlatywe umkhosi wokubulala, kuphakanyiswe izwi lokuduma, kumiswe izinto zokutyhomfa emasangweni, kufunjwe udonga lokungqinga, kwakhiwe iinqaba zokubonisela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Soba njengesihlabo esikhohlakeleyo kubo emehlweni abo, bafungelwe izifungo bona; ke yena wokhumbuza ubugwenxa, ukuze baxhakamfulwe.

24Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa yokukhumbuza kwenu ubugwenxa benu, ekutyhilekeni kwezikreqo zenu, ukuze zibonakale izono zenu ezintlondini zenu zonke; ngenxa yokukhunjulwa kwenu, niya kuxhakamfulwa ngesandla.

25Wena ke, mbulawa ungendawo, sikhulu sakwaSirayeli, umini yakho ifikileyo ngexesha lobugwenxa bokuphela, itsho iNkosi uYehova ukuthi,

26Luya kususwa unkontsho, sithulwe nesithsaba; oko koko, namhla kunamhla; okuthobekileyo kuya kuphakanyiswa, okuphakamileyo kuya kuthotywa.

27Ndiya kukuphenula ndikuphenule, ndikuphenule; kwanako oko akuyi kuba kuko, koda kufike lowo kukokwakhe ukugweba; ndikùnike yena.

28Wena ke, nyana womntu, profeta uthi, Itsho iNkosi uYehova ngokusingisele koonyana baka-Amon, ngokusingisele kungcikivo lwabo, ukuthi, Ikrele, ikrele lirholelwe ukuba libulale; likhazimlisiwe ukuba lidle, ukuba libe njengombane.

29Bekubonela inkohlakalo nje, bekuhlabela amanga nje, liya kukubeka ke ezintanyeni zabangendawo ababuleweyo, abamini iya kufika ngexesha lobugwenxa bokuphela.

30Líbuyisele esingxotyeni salo. Endaweni odalelwe kuyo, ezweni lemvelo yakho, ndiya kukugweba.

31Ndiya kuthulula phezu kwakho ubhavumo lwam. Ndiya kukubasela ngomlilo wokuphuphuma komsindo wam, ndikunikele esandleni samadoda azizityhakala, iingcibi ezonakalisayo.

32Ùya kuba kukudla komlilo; igazi lakho liya kuba phakathi kwelizwe; akuyi kukhunjulwa; kuba mna Yehova ndithethile.

UHezekile 22

Izenzo zeYerusalem nesohlwayo sazo

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Wena ke, nyana womntu, uza kuwugweba na? Uza kuwugweba na umzi wamagazi? Wazíse ke onke amasikizi awo.

3Uze uthi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Mzindini, ùphalaza igazi esazulwini sawo, ukuze lifike ixesha lawo, wenze izigodo kuwo ukuze ube yinqambi!

4Ngegazi lakho olithululeyo uzeké ityala, nangezigodo zakho ozenzileyo uzenzé inqambi, wazisondeza iimini zakho, wafika eminyakeni yakho. Ngenxa yoko ndikwenza into yengcikivo ezintlangeni, nento yokucukucezwa kuwo onke amazwe.

5Abakufuphi nabakude kuwe baya kukucukuceza; ùnegama lobunqambi, unesaqunge esikhulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Yabona, izikhulu zakwaSirayeli, saseso ngokwengalo yaso, zibe zikuwe, ukuze ziphalaze igazi.

7Uyise nonina babacukucezela kuwe; owasemzini bamcudisela esazulwini sakho; iinkedama nabahlolokazi babaxinzelela phantsi kuwe.

8Iingcwele zam ùzidelile, neesabatha zam ùzihlambele.

9Amadoda anentlebendwane abekuwe, ukuze aphalaze igazi; àdlela ezintabeni kuwe, enza amanyala esazulwini sakho.

10Ubuzé booyise butyhilelwe kuwe; oyinqambi ngokuba nomzí bamdlwengulela kuwe.

11Omnye wenza amasikizi nomfazi wommelwane wakhe; omnye umenza inqambi umolokazana wakhe ngobugqwirha; omnye udlwengula udade wabo, intomi kayise, kuwe.

12Bamkela izicengo bekuwe, ukuze baphalaze igazi; wena udlé abantu ngemali, wathabatha inzala yemboleko; ùyamdla ummelwane wakho ngokucudisa; ùndilibele; itsho iNkosi uYehova.

13Yabona, nditywakraza izandla zam ngenxa yenzuzo yakho embi oyizuzileyo, nangenxa yamagazi akho asesazulwini sakho.

14Intliziyo yakho iya kuma na? Izandla zakho ziya kuthi nkqi na, ngemihla endiya kukuphatha ngayo? Mna Yehova ndithethile, ndiya kwenza ke.

15Ndiya kukuphangalalisela ezintlangeni, ndikuchithachithe emazweni, ndibugqibele ubunqambi bakho kuwe.

16Wòzihlambela emehlweni eentlanga, wazi ukuba ndinguYehova.

17Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

18Nyana womntu, indlu kaSirayeli isuke yaba ligwebu lentsimbi kum; bonke bephela baba lubhedu nebhekile nesinyithi nelothe, phakathi eziko; baba ligwebu lesilivere.

19Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa yokuba naba ligwebu lentsimbi nonke niphela, ngako oko, yabonani, ndiya kunibutha esazulwini seYerusalem.

20Njengokuhlanganiselwa kwesilivere nobhedu nesinyithi nelothe nebhekile phakathi eziko, ukuba umlilo uzifuthe, ukuze zinyibilike: ndiya kwenjenjalo ukunibutha ngomsindo wam, nangobushushu bam, ndinifake, ndininyibilikise.

21Ndonifumba, ndifuthe umlilo wokuphuphuma komsindo wam kuni, ninyibilike phakathi kwawo.

22Njengokuba isilivere inyibilikiswa phakathi eziko, niya kwenjenjalo ukunyibilikiswa phakathi kwayo; názi ukuba mna Yehova ndibuthulule ubushushu bam phezu kwenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

24Nyana womntu, yithi kulo, Ùlilizwe elizulu lingàsiyo, elingànelwayo ngomhla wobhavumo.

25Lucebo lwabaprofeti balo esazulwini salo. Njengengonyama ebharhulayo, eqwenga inyamakazi, badla imiphefumlo; bahlutha into eqwetyiweyo nenqabileyo; bandisa abahlolokazi balo esazulwini salo.

26Ababingeleli balo bayawugonyamela umyalelo wam, bazihlambele iingcwele zam; àbacaluli phakathi kokungcwele nokuhlambelayo, àbabonisi mahluko kokuyinqambi nokuhlambulukileyo; bayawafihla amehlo abo kwiisabatha zam, ndihlanjelwe esazulwini sabo.

27Abathetheli balo esazulwini salo banjengeengcuka eziqwenga ixhoba, ukuba baphalaze igazi, batshabalalise imiphefumlo, ukuze bazuze inzuzo embi.

28Abaprofeti bábatyabeka ngodaka olulephukayo, bebona imibono yenkohlakalo, bebahlabela izihlabo ezingamanga, besithi, Itsho iNkosi uYehova; kanti uYehova akathethanga.

29Abantu belizwe elo bayacudisa, bayaphanga, baxinzelela phantsi usizana nehlwempu, bacudise owasemzini ngokungesesikweni.

30Ndafuna kubo indoda engaba luthango phakathi, ime ethutyeni phambi kwam, ikhusele ilizwe elo, ukuze ndingalitshabalalisi; ke andiyifumani.

31Ngoko ke ndithulula ubhavumo lwam phezu kwabo, ndibagqibele ngomlilo wokuphuphuma komsindo wam, ndibanike ngokwendlela yabo entlokweni yabo; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 23

Ukuchaswa kokunqophisana nabasemzini kuzekeliswa ngokuhenyuza kooNtenteyakhe noNtente-yam-kuye nesohlwayo sabo

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, kwakukho abafazi ababini, iintombi zamfazi mnye.

3Bahenyuza eYiputa, bahenyuza besebancinane; acofelwa khona amabele abo; zaphathwa khona iingono zamabele zobuntombi babo.

4Amagama abo ke nguNtente-yakhe omkhulu kubo, noNtente-yam-kuye umsakwabo; baba ngabam, bazala oonyana neentombi. Amagama abo nguSamari uNtente-yakhe, yiYerusalem uNtente-yam-kuye.

5UNtente-yakhe wahenyuza engumkam, watshiswa kukukhanuka izithandane zakhe, ama-Asiriya, umelwane lwakhe:

© 1975 Bible Society of South Africa.

6abavethe iingubo ezimsi, amabamba neerhuluneli, amadodana aluluhle onke ephela, abamahashe bekhwele emahasheni.

7Wakubhekisela kubo ukuhenyuza kwakhe, koonyana baseAsiriya abaluluhle bonke bephela; wathi abo bonke abetshiseka kukubakhanuka, wazenza inqambi ngezigodo zabo.

8Àkakuyeka nokuhenyuza kwakhe kwaseYiputa; ngokuba ebuncinaneni bakhe babelala naye, baziphathe iingono zamabele zobuntombi bakhe bona; bathululele ubufebe babo phezu kwakhe.

9Ngako oko ndamnikela esandleni sezithandane zakhe, esandleni soonyana baseAsiriya, abo abetshiseka kukubakhanuka.

10Bona babutyhila ubuzé bakhe, bathabatha oonyana bakhe neentombi zakhe, bambulala ngekrele; waba ngundaba-mlonyeni kubafazi, bamgweba.

11Wakúbona oko umsakwabo, uNtente-yam-kuye, waba mandundu kunaye ukutshiseka kwakhe kukukhanuka, kwaba mandundu ukuhenyuza kwakhe kunokuhenyuza kodade wabo.

12Watshiseka kukubakhanuka oonyana baseAsiriya, amabamba, neerhuluneli, umelwane lwakhe, abavethe ezimbejembeje; abamahashe bekhwele emahasheni, amadodana aluluhle onke ephela.

13Ndabona ukuba uzenzé inqambi, bandlela-nye bobabini.

14Wóngeza ekuhenyuzeni kwakhe; wabona amadoda ezotywe eludongeni, imifanekiso yamaKaledi ezotywe ngeqabo elibomvu,

15enxibe iinqwemesha ezinqeni, eneenkontsho ezimfakamfele ezintloko, ebonakala engabaphathi-mikhosi onke ephela, efana noonyana baseBhabheli, belamaKaledi, izwe lokuzalwa kwabo.

16Watshiseka kukuwakhanuka, amehlo akhe akuwabona; wathuma abathunywa kwelamaKaledi.

17Beza ke kuye oonyana baseBhabheli esililini sokuncokolisa, bamenza inqambi ngobufebe babo; wazenza inqambi ngabo; wancothuka kubo umphefumlo wakhe.

18Wakutyhila ukuhenyuza kwakhe, wabutyhila ubuzé bakhe, wancothuka ke umphefumlo wam kuye, njengoko umphefumlo wam wancothukayo kumsakwabo.

19Wongeza ke ukuhenyuza kwakhe, ngokukhumbula imihla yobuncinane bakhe, awahenyuza ngayo ezweni leYiputa.

20Wátshiseka kukuwakhanuka amakrexe akhe, anyama ziziinyama zamaesile, amakhanuko awo angamakhanuko amahashe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Wàmana ùkhumbula amanyala obuncinane bakho, oko amaYiputa abephathe iingono zamabele akho, ngenxa yamabele obuncinane bakho.

22Ngako oko, Ntente-yam-kuye, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndikuxhokonxela izithandane zakho, ezo uncothukileyo kuzo umphefumlo wakho; ndizizise phezu kwakho, zivela ngeenxa zonke:

23oonyana baseBhabheli namaKaledi onke, abaveleli, izikhulu, iinduna, benoonyana bonke baseAsiriya, amadodana aluluhle, amabamba neerhuluneli, bonke bephela, nabaphathi-mikhosi, namaphakathi, bengabakhweli bamahashe bonke bephela.

24Baya kukufikela benezikhali, neenqwelo zokulwa, neevili, benesikhungu sezizwe; babhekise kuwe iingweletshetshe namakhaka nezigcina-ntloko ngeenxa zonke. Ndolunikela kubo ugwebo, ukuba bakugwebe ngokwamasiko abo, ndikunìkele ebukhweleni bam,

25bakuphathe ngobushushu. Baya kususa impumlo yakho neendlebe zakho, nento yakho eseleyo iwe likrele. Bona baya kuthabatha oonyana bakho neentombi zakho; nento yakho eseleyo itshiswe ngumlilo;

26bakuhlube iingubo zakho, bazithabathe iimpahla zakho zokuhomba.

27Ndowaphelisa amanyala akho nokuhenyuza kwakho kwasezweni laseYiputa, ungabi sawaphakamisela amehlo akho kuwo, ungabi salikhumbula elaseYiputa.

28Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndiya kukunikela esandleni sabo ubathiyileyo, esandleni sabo uncothukileyo kubo umphefumlo wakho.

29Baya kukuphatha ngentiyo, bathabathe konke ukuxelenga kwakho, bakushiye uzé kanye, butyhileke ubuzé bokuhenyuza kwakho, namanyala akho, nokuhenyuza kwakho.

30Kuya kwenzeka oko kuwe, ngenxa yokuhenyuza kwakho ekulandeleni iintlanga, ngenxa enokuba uzenzé inqambi ngezigodo zazo.

31Ùhambé ngendlela yomsakwenu; ndoyinikela ke indebe yakhe esandleni sakho.

32Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ùya kuyisela indebe yomsakwenu, yona leyo inzulu, ibanzi; iya kuba yintlekisa nesigculelo, ngokuba inombilini omkhulu.

33Ùya kuzala kukunxila nasisingqala; yindebe yakwankangala kankangala indebe yodade wenu uSamari.

34Ùya kuyisela ke, uyifince, uwaqobe amagophe ayo, uzijece ngawo amabele; ngokuba ndithethile, itsho iNkosi uYehova.

35Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba ùndilibele, wandiphosa emva komhlana wakho, ùya kuwathwala nokuwathwala amanyala akho nokuhenyuza kwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Wathi uYehova kum, Nyana womntu, uza kubagweba na ooNtente-yakhe noNtente-yam-kuye? Báxelele ke amasikizi abo.

37Ngokuba bakrexezile, izandla zabo zinegazi; bakrexezene nezigodo zabo; kananjalo oonyana babo, ababazalela mna, babacandisele kuzo, ukuba batshiswe ngumlilo.

38Babuyé benza noku kum: bayenzé inqambi ingcwele yam kwangayo loo mini, bazihlambela iisabatha zam;

39bakùzisikela izigodo zabo oonyana babo, bángena ke engcweleni yam kwangayo loo mini, ukuze bayihlambele; yabona benjenjalo endlwini yam phakathi.

40Phezu koko bathuméle kumadoda avela kude, kwathunyelwa kuwo umthunywa; yabona, afika; wona lawo wàzihlambayo umzimba ngenxa yawo, waziqaba amehlo ngomsizi, wavathela wona izivatho zakho;

41wahlala esingqengqelweni esinobuqaqawuli, alungiselwa isithebe phambi kwaso, wabeka ke kuso isiqhumiso sam neoli yam.

42Izwi lengxokolo latyondyoloza khona. Kumadoda aseluninzini loluntu kwaziswa abaseli basentlango, babafaka izacholo ezihlahleni zabo, nezithsaba zokuhomba ezintlokweni zabo.

43Ndathi ke kulowo oselehagele ekukrexezeni, Ngokunje uhenyuzo lwakhe luya kukrexeza, lona ngokwalo.

44Bamngena ke njengoko kungenwa ngako kumfazi olihenyukazi: benjenjalo ukumngena uNtente-yakhe, noNtente-yam-kuye, abo bafazi banamanyala.

45Ke amadoda angamalungisa, wona ke aya kubagweba ngokwesiko labakrexezikazi, nangokwesiko labaphalazi begazi; ngokuba bengábakrexezikazi, zinegazi izandla zabo.

46Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kubanyusela ibandla, ndibanikele ekunqakulweni nasekuphangweni;

47ibandla libaxulube ngamatye, libasike ngamakrele alo. Liya kubabulala oonyana babo neentombi zabo, lizitshise izindlu zabo;

48ndiwaphelise amanyala ezweni, bathethiseke abafazi bonke, bangenzi ngokwamanyala enu.

49Baya kuwabeka ke amanyala enu phezu kwenu, nizithwale izono zezigodo zenu; názi ukuba ndiyiNkosi uYehova.

UHezekile 24

Umzekeliso wembiza ebilayo

1Kwafika ilizwi likaYehova kum ngomnyaka wesithoba, ngenyanga yeshumi, ngolweshumi enyangeni leyo, lisithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Nyana womntu, Zibhalele igama lale mini, layo yona le mini; ukumkani waseBhabheli uyishicilele iYerusalem ngayo yona le mini.

3Uze uyizekelisele ngomzekeliso indlu eneenkani, uthi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Beka imbiza eziko, yibeke, kananjalo ugalele amanzi kuyo.

4Hlanganisela kuyo iinyama zayo; zonke iinyama ezilungileyo, umlenze negxalaba; yizalise ngamathambo akhethiweyo.

5Thabatha ezikhethiweyo zempahla emfutshane, kananjalo amathambo uwafumbele iinkuni ngaphantsi kwayo. Yibilise kakuhle; kananjalo amathambo ayo makaphekwe phakathi kwayo.

6Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yeha, mzindini unamagazi! Mbizandini inomhlwa, emhlwa ungasukiyo! Yirhole inyama ngeenyama zayo; aliphumi nayo iqashiso.

7Ngokuba igazi lawo liphakathi kwawo; úlibeké engxondorheni ebalelelwe lilanga; awuliphalazanga emhlabeni, ukuba liselelwe luthuli.

8Ukuze kunyuke ubushushu, ukuze iphindezelwe impindezelo, igazi lawo ndilibeké engxondorheni ebalelelwe lilanga, ukuze lingaselelwa.

9Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yeha, mzindini unamagazi! Nam ndiya kuyenza ibe nkulu imfumba yeenkuni.

10Fumba iinkuni, khwezela umlilo, vuthisa inyama, ujiye umhluzi, atshe amathambo;

11uyibeke phezu kwamalahle ayo, ingasenanto phakathi, ukuze lufudumale lutshe ubhedu lwayo, bunyibilike ubunqambi bayo phakathi kwayo, umhlwa wayo ugqibele.

12Izidinisile ngemigushanxa; awuphumi kuyo umhlwa wayo omninzi; mawube semlilweni umhlwa wayo.

13Ebunqambini bakho ngamanyala; ngenxa enokuba ndikuhlambulule, akwahlambuluka, akusayi kuhlambuluka ebunqambini bakho, ndide ndibupholisele kuwe ubushushu bam.

14Mna Yehova ndithethile; iyéza le nto, ndiya kuyenza; andiyi kuyeka, andiyi kuba nanceba, andiyi kuzohlwaya. Baya kukugweba ngokweendlela zakho nangokweentlondi zakho; itsho iNkosi uYehova.

Ukufa komfazi kaHezekiya kungumqondiso kuYuda

15Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

16Nyana womntu, yabona, ndithabatha kuwe intánda yamehlo akho ngesibetho; uze ungambambazeli, ungalili; makungaphumi zinyembezi kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Gcuma uthe cwaka; uze ungenzi sijwili ngabafileyo. Jikela unkontsho lwakho,
unxibe iimbadada zakho ezinyaweni zakho, ungazigqubutheli iindevu zakho eziphezu
komlomo, ungasidli isonka sabantu.

18Ndathetha ke nabantu kusasa; ngokuhlwa wafa umkam; ndenza ke ngengomso
njengoko wayendiwisele umthetho ngako.

19Bathi abantu kum, Akusixeleli na, ukuba ezi zinto zithini na kuthi, ukuba wenjenje?

20Ndathi kubo, Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

21Yithi kwindlu kaSirayeli, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndiya kuyingcolisa
ingcwele yam, iqhayiya lamandla enu, intánda yamehlo enu, isizondelelo
somphefumlo wenu, bawe likrele oonyana benu neentombi zenu enibashiyileyo.

22Niya kwenza ke njengoko ndenzé ngako: iindevu eziphezu komlomo aniyi
kuzigqubuthela, ningasidli isonka sabantu;

23iinkontsho zenu ziya kuba sentloko kuni, neembadada zenu zibe sezinyaweni zenu;
aniyi kumbambazela, nilile; ke niya kungcungcutheka ebugwenxeni benu, nigcume,
omnye ekhangele komnye.

24UHezekile woba sisimanga kuni; niya kwenza njengako konke akwenzileyo; ekuzeni
kwako oko, niya kwazi ukuba ndiyiNkosi uYehova.

25Wena ke, nyana womntu, inyaniso, mini ndithabatha kubo inqaba yabo, imihlali
yesihombo sabo, intánda yamehlo abo, into abaphakamisela kuyo umphefumlo
wabo, oonyana babo neentombi zabo:

26ngayo loo mini kuya kufika osindileyo kuwe, avakalise oko ezindlebeni zakho.

27Ngayo loo mini ùya kuvuleka umlomo wakho, kunye nosindileyo lowo; uthethe,
ungabi saba sisidenge; ube sisimanga kubo; bazi ukuba ndinguYehova.

UHezekile 25

Isiprofeto sokuchasa uAmon

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, bhekisa ubuso bakho koonyana baka-Amon, uprofete ngabo,

3uthi koonyana baka-Amon, Liveni ilizwi leNkosi uYehova. Itsho iNkosi uYehova
ukuthi, Ngenxa enokuba usithi kwingcwele yam, Tshotsho! ngokuba ihlanjelwe;
nakumhlaba wakwaSirayeli, Tshotsho! ngokuba wenziwe kwaba senkangala;
nakwindlu yakwaYuda, Tshotsho! ngokuba bathinjiwe:

4ngako oko, yabona, ndikunikela koonyana basempumalanga, ukuba bamele kuwe,
bamise iingqili zabo kuwe, benze neendawo zokuhlala kwabo kuwe. Bona baya kudla
iziqhamo zakho, basele amasi akho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ndiya kuyenza iRabha ibe likriwa leenkamela, eloonyana baka-Amon ndilenze libe
yindawo yokubutha kwemihlambi; názi ukuba ndinguYehova.

6Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba ubethe esandleni sakho,
wangqisha ngonyawo, wawuvuyela umhlaba wakwaSirayeli ngokucekisa
komphefumlo:

7ngako oko, yabona, ndisolula phezu kwakho isandla sam, ndikunikele ezintlangeni,
ukuba ube lixhoba, ndikunqumle ezizweni, ndikwenze udake, ungabikho emazweni.
Ndiya kukutshabalalisa; wazi ukuba ndinguYehova.

Isiprofeto sokuchasa uMowabhi

8Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba besithi ooMowabhi, noSehire,
Yabonani, injengeentlanga zonke indlu yakwaYuda:

9ngako oko, yabonani, ndivula icala likaMowabhi, ndithabathela emizini yakhe,
kwesekupheleni kwakhe, eligugu lelizwe, iBhete-yeshimoti, neBhahali-mehon, ndise
eKiriyatayim.

10Ndolivulela oonyana basempumalanga, kunye neloonyana baka-Amon, ndibanike
limiwe, ukuze bangabi sakhunjulwa ezintlangeni oonyana baka-Amon;

11ndenzè izigwebo kwaMowabhi; bazi ukuba ndinguYehova.

Isiprofeto sokuchasa uEdom

12Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba uEdom esebenzé ngokuphindezela
impindezelo kwindlu yakwaYuda, wazeka ityala elikhulu ngokuphindezela kubo:

13ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kusolula isandla sam naphezu
kwelakwaEdom, ndinqumle kulo umntu nenkomo; ndilibharhise, kuthabathele
kwaTeman; bawe likrele, kuse nakwaDedan.

14Ndiya kuphindezela kwaEdom ngesandla sabantu bam amaSirayeli, benzè
kwaEdom ngokomsindo wam nangokobushushu bam; bakwazi ke ukuphindezela
kwam; itsho iNkosi uYehova.

Isiprofeto sokuchasa amaFilisti

15Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa yokwenza kwamaFilisti ngempindezelo,
ephindezela ngempindezelo, ecekisa emphefumlweni, esonakalisa, enobutshaba
obungunaphakade:

16ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndiya kusolula isandla sam phezu
kwamaFilisti, ndiwanqumle amaKreti, ndiwatshabalalise amasalela aselunxwemeni
lolwandle.

17Ndiya kwenza kuwo iimpindezelo ezinkulu, ezishushu; bazi ukuba ndinguYehova,
ekwenzeni kwam impindezelo kuwo.

UHezekile 26

© 1975 Bible Society of South Africa.

Isiprofeto sokuchasa iTire

1Kwathi ngomnyaka weshumi elinamnye, ngolokuqala enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, ngenxa enokuba iTire isithi ngeYerusalem, Tshotsho! lwaphukile ucango lwezizwe; luvulekele kum; ndiya kuchuma mna, ibe linxuwa yona!

3ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndikuchasile, Tire. Ndiya kukunyusela iintlanga ezininzi, njengokuba ulwandle lunyusa amaza alo;

4ziziqhuqhe iindonga zaseTire, zizigungxule iinqaba zakho ezinde. Ndolutshayela uthuli lwayo kuyo, ndiyenze ibe yingxondorha ebalelelwe lilanga.

5Iya kuba yindawo yokwanekela iminatha phakathi kolwandle; ngokuba ndithethile, itsho iNkosi uYehova; ibe lixhoba leentlanga.

6Namagxamesi ayo asemaphandleni aya kubulawa ngekrele; bazi ukuba ndinguYehova.

7Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, iTire ndiya kuyizisela uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, evela entla, ukumkani wookumkani, enamahashe neenqwelo zokulwa, nabakhweli, nesikhungu sabantu, nabantu abaninzi.

8Amagxamesi akho asemaphandleni úya kuwabulala ngekrele, akumisele inqaba yokubonisela, afumbe kuwe udonga lokungqinga, akumisele ikhusi lamakhaka;

9abhekise ezindongeni zakho iimpahla zakhe zokutyhomfa, azidilize iinqaba zakho ezinde ngeentsimbi zakhe.

10Ngenxa yoninzi lwamahashe akhe, uthuli lwawo luya kukugubungela; iindonga zakho ziya kunyikima ngenxa yesandi sabakhweli, neseevili, neseenqwelo zokulwa, ekungeneni kwakhe ngamasango akho, njengabangena emzini oqhekezwayo.

11Ngamanqina amahashe akhe úya kuzigqusha izitrato zakho zonke; úya kubabulala abantu bakho ngekrele, iintsika zakho ezinamandla aziwise emhlabeni.

12Baya kubuthimba ubutyebi bakho, bayiphange into orhweba ngayo, bazigunguxule iindonga zakho, bazidilize izindlu zakho ezinqwenelekayo, bawatshonise emanzini amatye akho, nemithi yakho, nothuli lwakho.

13Ndoluphelisa ulwandile lweengoma zakho, singabi saviwa isandi seehadi zakho.

14Ndokwenza ube yingxondorha ebalelelwe lilanga; ùya kuba yindawo yokwaneka iminatha. Akusayi kuba sakhiwa; ngokuba mna Yehova ndithethile; itsho iNkosi uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Itsho iNkosi uYehova kwiTire, ukuthi, Aziyi kunyikima na iziqithi ngenxa yesithonga
sokuwa kwakho, ekuncwineni kwabangxwelerhiweyo, ekubulaweni kwabaphakathi
kwakho?

16Ziya kuhla ezitroneni zabo bonke abazizikhulu zolwandle, bazisuse iingubo zabo
zokwaleka, bazihlube iingubo zabo ezimfakamfele; bambathe ukugubha, bahlale
phantsi emhlabeni, bagubhe ngamaphanyazo onke, bamangaliswe nguwe.

17Baya kukuphakamisela isijwili, bathi kuwe, Yoo! Ùtheni na ukudaka, wena
ubumiwe ngabeelwandle, wena mzindini udumileyo, owawomelele elwandle, wona
nabemi bawo, obe ubaqhiphukisa umbilini abemi bawo bonke!

18Ngoku ziyagubha iziqithi ngomhla wokuwa kwakho, zikhwankqiswe iziqithi
eziselwandle ngenxa yokuphela kwakho.

19Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ekukwenzeni kwam ube ngumzi olinxuwa,
njengemizi engasamiweyo; ekuwanyuseni kwam phezu kwakho amanzi
anzongonzongo, akugubungele amanzi amaninzi:

20ndiya kukuhlisela kwabahlé baya emhadini, ndikuse ebantwini basendaleni,
ndikuhlalise ezweni langaphantsi, emanxuweni asendaleni nabahlé baya emhadini,
ukuze ungamiwa; ndenzè ubukhazikhazi ezweni labahleliyo.

21Ndokwenza ube sisikhwankqiso, ungabikho; bakufune, bangabi sakufumana
napahakade; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 27

Ukulilelwa kweTire; ubutyebi norhwebo lwayo

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Wena ke, nyana womntu, yiphakamisele isimbonono iTire.

3Yithi kwiTire, Wena uhleliyo ezingenweni zolwandle, mrhwebelikazi wezizwe
eziqithini ezininzi, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Tire, ùthi wena, Ndimhle kwaphela.

4Isembilinini yeelwandle imida yakho, abakhi bakho bakwenzé wamhle kwaphela.

5Ngemisipres yaseSenire bakwakhele zonke iideke zakho, bathabatha imisedare
yaseLebhanon ukwenza imasti kuwe.

6Bawenza ngemioki yaseBhashan amaphini akho okubheqa; izihlalo zakho bazenza
ngeempondo zeendlovu, ezifakelwe emigalagaleni yaseziqithini zamaKiti.

7Ilinen ecikizekileyo emfakamfele yaseYiputa yaba iyiseyile yakho, ukuba ibe
yibhanile kuwe; ingubo emsi nemfusa yaseziqhithini zakwaElisha yaba ngumthunzi
wakho.

8Abemi baseTsidon neArvadi baye bengababheqi bakho; izilumko zakho, Tire, zaba
phakathi kwakho, zaba ngabaqhubi bakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

9Amadoda amakhulu aseGebhali nezilumko zakhona ebe zikuwe, zaba ngabalungisi beentanda zakho. Yonke imikhombe yolwandle ibe ikuwe, noomateloshe bayo, ukuba yanane urhwebo lwakho.

10AmaPersi namaLudi namaPuti ebesemkhosini wakho, engamadoda akho okulwa; abezixhoma kuwe iingweletshetshe nezigcina-ntloko; akunika ubungangamela wona.

11Oonyana baseArvadi babenomkhosi wakho phezu kweendonga zakho ngeenxa zonke, namakroti abasezinqabeni ezinde; axhoma iingweletshethse zawo ezindongeni zakho ngeenxa zonke; wona akwenza wamhle kwaphela.

12ITarshishe yarhwebelana nawe ngenxa yobuninzi bobuncwane bonke, bakurholela isilivere, nesinyithi, nebhekile, nelothe, ngeempahla zakho.

13OoYavan noTubhali noMesheki babengabarhwebeli bakho barhwebisana nawe ngeziqu zabantu nangeempahla zobhedu.

14Abendlu kaTogarma bakurholela amahashe eenqwelo zokulwa, nawokukhwela, noondlebende, ngeempahla zakho.

15Oonyana bakaDedan babengabarhwebeli bakho; iziqithi ezininzi bezirhwebisana nawe, zakubuyisela iimpondo zeendlovu nemisimbithi, yaba sisithabathaba.

16UAram warhwebelana nawe ngenxa yobuninzi bezinto ozenzayo, bakurholela iikarbhunkolo, neengubo ezimfusa, nezimfakamfele, nelinen ecikizekileyo, nekorale, neerubhi, ngeempahla zakho.

17ElakwaYuda nelizwe lakwaSirayeli belingabarhwebeli bakho; barhwebisana nawe ngengqolowa yaseMiniti nangemiqhathane, nangobusi, nangeoli, nangamafutha aqholiweyo.

18IDamasko yarhwebelana nawe, ngenxa yobuninzi bezinto ozenzayo, ngenxa yobuninzi bobuncwane bonke, ngewayini yaseHelebhon nangoboya begusha obuqaqambileyo.

19OoVedan noYavan waseUzali baye bekurholela intsimbi ekhandiweyo; ikasiya nekalamo bezisekurhwebeni kwakho.

20UDedan ubengumrhwebeli wakho wezidwashu zokukhwela.

21Elakwa-Arabhi nezikhulu zonke zakwaKedare bezirhwebisana nawe, zarhwebisana nawe ngamatakane, nangeenkunzi zeegusha, nangeenkunzi zeebhokhwe.

22Abarhwebi bakwaShebha nabakwaRama baye bengabarhwebeli bakho, bakurholela ubulawu bonke obuyintloko, namatye onke anqabileyo, negolide, ngeempahla zakho.

23OoHaran noKane noEden, abarhwebi bakwaShebha, nabaseAsiriya, nabaseKilemadi, baye bengabarhwebeli bakho;

© 1975 Bible Society of South Africa.

24babengabarhwebeli bakho ngeengubo ezintle kwaphela, nangeengubo zokwaleka
ezimsi nezimfakamfele, nangemichako emabalabala. Ezo zinto zithandelwe zaqiniswa
ngamaqamesi, ukuba ziye emarikeni yakho.

25Iinqanawa zaseTarshishe bezingabathuthi bakho nabolwananiso lwakho. Wàchuma
ke, wazuka kakhulu embilinini yeelwandle.

26Bakùsa emanzini amakhulu ababheqi bakho; umoya wasempumalanga
wakwaphula embilinini yeelwandle.

27Ubuncwane bakho neempahla zakho othengise ngazo, nezinto zakho ozananileyo,
noomateloshe bakho, nabaqhubi bakho, nabalungisi beentânda zakho, nabananisi
beento zakho zokwananwa, namadoda akho onke okulwa aphakathi kwakho, kunye
nesikhungu sakho sonke esiphakathi kwakho, baphalala embilinini yeelwandle
ngemini yokuwa kwakho.

28Ngenxa yezwi lokukhala labaqhubi bakho, ayanyikima amadlelo.

29Bayehla emikhombeni yabo bonke ababheqi noomateloshe, bonke abaqhubi
baselwandle, béze kuma emhlabeni.

30Baya kulivakalisa ilizwi labo phezu kwakho, bakhale kakrakra, bazigalele ngothuli
ezintloko, bazigalele ngothuthu.

31Bozicheba iintloko ngenxa yakho, babhinqe ezirhwexayo, bakulilele ngobukrakra
bomphefumlo wabo, bembambazela kakrakra.

32Bokuphakamisela isimbonono esimemeni sabo, bakwenzele isimbonono, besithi,
Ngubani na onjengeTire, onjengobethwe wathi cwaka embilinini yeelwandle?

33Ekuphumeni kweempahla zakho othengise ngazo ezilwandle, wáhluthisa izizwe
ezininzi; ngobuninzi bobuncwane bakho nobolwananiso lwakho wabatyebisa
ookumkani behlabathi.

34Kungoku, waphukile nje, ùmkile ezilwandle, ezinzulwini zamanzi; luwile nawe
ulwananiso lwakho, nesikhungu sakho sonke.

35Bonke abemi beziqithi baya kumangaliswa nguwe, ookumkani bazo babe
namanwele benamanwele, búthe ntshwa ubuso babo.

36Abarhwebi abasezizweni baya kwenza umsondlo; usuke wena ube sisikhwankqiso,
ungabi sabakho naphakade.

UHezekile 28

Ukuwa kokumkani waseTire nokulilelwa kwakhe

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, Yithi kwingànga yeTire, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa
enokuba intliziyo yakho iphakamile, usithi, NdinguThixo, ndihleli esihlalweni soThixo

© 1975 Bible Society of South Africa.

embilinini yeelwandle; phofu ùngumntu, ungeThixo, nakuba uyenzé intliziyo yakho yanjengentliziyo yoThixo:

3yabona, ùlumke kambe nangaphezu koDaniyeli; zonke izinto ezisitheleyo azisithelisiwe kuwe.

4Ngobulumko bakho nangengqondo yakho ùzenzele ubuhandiba, wangenisa igolide nesilivere ebuncwaneni bakho.

5Ngobuninzi bobulumko bakho ubandisile ubuhandiba bakho, ngorhwebo lwakho, yaphakama intliziyo yakho ngobuhandiba bakho.

6Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba wayenza intliziyo yakho yanjengentliziyo yoThixo,

7ngako oko, uyabona, ndiya kukuzisela abasemzini, abangcangcazelisi basezintlangeni; baburholele ubuhle bobulumko bakho amakrele abo, bakuhlambele ukubengezela kwakho.

8Baya kukuhlisela emhadini, ufe ngokufa kwababuleweyo, embilinini yeelwandle.

9Wòtsho ubuye utsho na ukuthi, NdinguThixo, phambi kombulali wakho? ungumntu nje, ungeThixo, esandleni sokuhlabayo.

10Ùya kufa ukufa kwabangalukileyo ngesandla sabasemzini, ngokuba ndithethile; itsho iNkosi uYehova.

11Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

12Nyana womntu, mphakamisele isimbonono ukumkani waseTire, uthi kuye, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Wena lutywino lwesakhiwo esilinganiselweyo kakuhle, uzeleyo bubulumko, umhle kwaphela.

13Ubuse-Eden emyezweni kaThixo; onke amatye anqabileyo abe esisigubungelo sakho: isardiyo, netopazi, nedayimani, nekrizolite, nebherilo, neyaspisi, nesafire, nekarbhunkolo, nesmarado, negolide; umsebenzi weengqondi zakho nowamankazana akho waye ukuwe; ngemini yokudalwa kwakho ezo zinto zalungiswa.

14Waye uyikerubhi ethanjisiweyo, egqubuthelayo; ndakwenza ke, waba sentabeni engcwele kaThixo, wahambahamba phakathi kwamatye anomlilo.

15Wagqibelela ngeendlela zakho, kususela kwimini yokudalwa kwakho, kwada kwafumaneka ubugqwetha kuwe.

16Ngobuninzi borhwebo lwakho umbilini wakho wazala kukugonyamela, wóna ke. Ndiya kulahla wena, ngokwento engcolileyo, umke entabeni kaThixo; ndikutshabalàlise, kerubhi igqubuthelayo, usuke phakathi kwamatye anomlilo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Intliziyo yakho iphakamile ngenxa yobuhle bakho, ubonákalisile ubulumko bakho
kunye nokubengezela kwakho. Ndikukhahlela emhlabeni ndikwènze ube
ngumbonelo phambi kokumkani.

18Ngobuninzi bobugwenxa bakho, ebugqwetheni borhwebo lwakho, uzihlámbele
iingcwele zakho; ndivelisa ke umlilo kwaphakathi kwakho; úya kukutshisa wona,
ndikwènze ube luthuthu emhlabeni, emehlweni abo bonke abakubonayo.

19Bonke abakwaziyo ezizweni baya kumangaliswa nguwe, usuke ube sisikhwankqiso,
ungabuyi ubekho naphakade.

Isiprofeto sokuchasa iTsidon

20Kwafika ilizwi likaThixo kum, lisithi,

21Nyana womntu, bhekisa ubuso bakho eTsidon, uprofete ngayo.

22Yithi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Uyabona, ndikuchasile, Tsidon; ndiya kuzizukisa
phakathi kwakho; bazi ukuba ndinguYehova, ekwenzeni kwam izigwebo kuyo,
ndizingcwàlisele kuyo.

23Ndiya kuthumela kuyo indyikitya yokufa negazi ezitratweni zayo; bawe
abangxwelerhiweyo phakathi kwayo likrele, eliyifikelayo ngeenxa zonke; bazi ukuba
ndinguYehova.

Ukubuyiswa kukaSirayeli

24Akuyi kuba sabakho meva anobuhlungu, naluviko lwenza buhlungu, kwindlu
kaSirayeli, luphuma kubo bonke abangeenxa zonke kuyo, abayicukuleyo; bazi ke
ukuba ndinguYehova.

25Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ekuyibutheni kwam indlu kaSirayeli, ezizweni
abaphangalaliswe kuzo, ndiya kuzingcwalisela kubo emehlweni eentlanga, bahlale
emhlabeni wabo, endawunika umkhonzi wam uYakobi.

26Baya kuhlala kuwo bekholosile, bakhe izindlu, batyale izidiliya, bahlale bekholosile
ekwenzeni kwam izigwebo kubo bonke ababacukulayo, abangeenxa zonke kubo; bazi
ukuba ndinguYehova uThixo wabo.

UHezekile 29

Isiprofeto sokuchasa iYiputa

1Ngomnyaka weshumi, ngenyanga yeshumi, ngolweshumi elinesibini enyangeni leyo,
kwafika ilizwi likaYehova kum lisithi,

2Nyana womntu, bhekisa ubuso bakho kuFaro ukumkani waseYiputa, uprofete
ngaye, nangeYiputa yonke iphela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Thetha uthi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Uyabona, ndikuchasile, Faro kumkani waseYiputa, ngwenya inkulu ibuthumileyo emijelweni yayo yoMnayile, itsho ukuthi, Ngowam umlambo, ndizenzele mna.

4Ndiya kufaka amakhonkco emihlathini yakho, ndizinamathisele emaxolweni akho iintlanzi zemijelo yakho, ndikurhole emijelweni yakho, neentlanzi zonke zemijelo yakho, ezinamathele emaxolweni akho.

5Ndiya kukulahlela entlango, wena neentlanzi zonke zemijelo yakho. Ùya kuwa endle, akuyi kuhlanganiswa ubuthwe; ndikunìkele ukuba ube kukudla kwamarhamncwa elizwe nokweentaka zezulu.

6Baya kwazi bonke abemi baseYiputa ukuba ndinguYehova. Ngokokuba ibe ingumsimelelo wengcongolo kwindlu kaSirayeli.

7Bakùbambelela kuwe ngamahlamvu akho, ùsuka uvikiveke, ukrazule lonke igxalaba labo; ùthi bakusimelela ngawe, waphuke, ugxadazelise zonke izinqe zabo.

8Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Uyabona, ndikuzisela ikrele, ndinqumle kuwe umntu nenkomo;

9ilizwe laseYiputa kube senkangala, libharhe; bazi ukuba ndinguYehova, ngenxa enokuba usithi, Umlambo ngowam, ndizenzele mna.

10Ngako oko uyabona, ndikuchasile nemijelo yakho; ndiya kulibharhisa ilizwe laseYiputa libharhe, kube senkangala, lithabathele eMigidoli, lise eSevene, lise emdeni wakwaKushi.

11Akuyi kucanda lunyawo lwamntu kulo, akuyi kucanda nqina lankomo kulo, lingemiwa, iminyaka engamashumi amané.

12Ndiya kulenza kube senkangala ilizwe laseYiputa phakathi kwamazwe abharhileyo, ibe ngamanxuwa imizi yalo phakathi kwemizi engamanxuwa, iminyaka engamashumi amané; ndiwaphangalàlisele amaYiputa ezintlangeni, ndiwachithachithe emazweni.

13Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ekupheleni kweminyaka engamashumi amané, ndiya kuwabutha amaYiputa ezizweni, abephangalaliselwe kuzo;

14ndibuyise ukuthinjwa kweYiputa, ndiwabuyise elizweni lasePatrosi, ezweni lokuvela kwawo, abe sisikumkani esiphantsi khona.

15Ezikumkanini aya kuba sesiphantsi, angabi saziphakamisa ngokwawo phezu kweentlanga; ndiwancìphise, ukuze angazinyatheleli phantsi iintlanga.

16Akayi kuba saba yinkoloseko yendlu kaSirayeli, ekhumbuza ubugwenxa ngokubheka kwayo kuwo; ázi ukuba ndiyiNkosi uYehova.

IBhabheli iza kutshabalalisa iYiputa

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kwathi ngomnyaka wamashumi omabini anesixhenxe, ngenyanga yokuqala, ngolokuqala enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi, Nyana womntu,

18uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli, impi yakhe úyisebenzise umsebenzi omkhulu eTire. Zonke iintloko zikhuthukile, onke amagxalaba atyabukile; ukanti akabanga namvuzo ke, yena nempi yakhe, eTire, ngenxa yomsebenzi awusebenzileyo kuyo.

19Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Uyabona, uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli ndimnika ilizwe laseYiputa, ukuba athuthe intabalala yalo, athimbe intimbo yalo, aphange ixhoba lalo, ezo zinto zibe ngumvuzo wempi yakhe.

20Umvuzo wakhe awusebenzeleyo ndimnika ilizwe laseYiputa, ngokuba baye besebenzele mna; itsho iNkosi uYehova.

21Ngayo loo mini ndiya kuyihlumisela uphondo indlu kaSirayeli, ndikunike ukuvulwa komlomo phakathi kwabo; bázi ukuba ndinguYehova.

UHezekile 30

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, profeta uthi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Bhombolozani, nithi, Hayi ke, le mini!

3Ngokuba ikufuphi le mini, ikufuphi imini kaYehova, imini yamafu; iya kuba lixesha leentlanga.

4Ikrele liya kuyifikela iYiputa; kuya kubakho ukuzibhijabhija kwaKushi, ekuweni kwababuleweyo eYiputa, ithatyathwe intabalala yayo, zichithwe iziseko zayo.

5AmaKushi, namaPuti, namaLudi, nomxukuxela wonke, namaKubhi, noonyana belizwe lomnqophiso, baya kuwa likrele ndawonye nayo.

6Utsho uYehova ukuthi, Baya kuwa abaxhasi beYiputa, lihle iqhayiya lamandla ayo. Baya kuthabathela iMigidoli, base eSevene, besiwa likrele kuyo; itsho iNkosi uYehova.

7KwelamaYiputa koba senkangala phakathi kwamazwe abharhileyo, nemizi yalo ibe phakathi kwemizi engamanxuwa;

8bàzi ukuba ndinguYehova, ekufakeni kwam umlilo eYiputa, baphuke bonke abancedi balo.

9Ngayo loo mini kuya kuphuma kum abathunywa ngeenqanawa, ukuze bothuse amaKushi akholosileyo, azibhijabhije ngokwawo njengasemini yeYiputa; ngokuba, uyabona, iyeza le nto.

10Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kuyiphelisa ingxokolo yeYiputa ngesandla sikaNebhukadenetsare, ukumkani waseBhabheli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Yena enabantu bakhe, abangcangcazelisi basezintlangeni, baya kuziswa ukuba balitshabalalise ilizwe, bayirholele amakrele abo iYiputa, balizalise ilizwe ngababuleweyo.

12Ndoyomisa imijelo yoMnayile, ndithengise ngelizwe ezandleni zabanobubi, ndilenze kube senkangala ilizwe nenzaliseko yalo, ngezandla zabasemzini; mna Yehova ndithethile.

13Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kuzidakisa izigodo, ndiziphelise izithixo ezingento eNofu, kungabi sabakho sikhulu sasezweni laseYiputa, ndingenise ukoyika ezweni laseYiputa.

14Ndiya kuyenza kube senkangala iPatrosi, ndifake umlilo eTsohan, ndenze izigwebo kwiNo;

15ndobuthulula ubushushu bam phezu kweSin, inqaba yaseYiputa; ndiyinqumle ingxokolo yaseNo;

16ndifake umlilo eYiputa. ISin iya kuzibhijabhija izibhijabhije, neNo inqikwe, neNofu ibe nababandezeli emini.

17Amadodana aseAven nasePibhesete aya kuwa likrele, yona ke loo mizi ithinjwe.

18ETapanesi iya kuba mnyama imini, ekuzaphuleni kwam khona iidyokhwe zaseYiputa, liphele kuyo iqhayiya lamandla ayo. Amafu aya kuyisibekela, namagxamesi ayo athinjwe;

19ndenzè izigwebo eYiputa; bazi ukuba ndinguYehova.

20Kwathi ngomnyaka weshumi elinamnye, ngenyanga yokuqala, ngolwesixhenxe enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

21Nyana womntu, ingalo kaFaro ukumkani waseYiputa ndiyaphúle; uyabona, ayiyi kubotshwa ukuba ifakwe umhlabelo, ukuba ibotshwe ngezithandelo, ukuba yomelele, ukuba iphathe ikrele.

22Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndimchasile uFaro ukumkani waseYiputa. Ndiya kuzaphula iingalo zakhe, eyomeleleyo kwaneyaphukileyo, ndilivuthulule ikrele esandleni sakhe.

23Ndowaphangalalisela amaYiputa ezintlangeni, ndiwachithachithe emazweni;

24ndiya kuzomeleza ke iingalo zokumkani waseBhabheli, ndibeke ikrele lam esandleni sakhe, ndizaphule iingalo zikaFaro, ancwine phambi kwakhe ngoncwino longxwelerhiweyo.

25Ndiya kuzomeleza iingalo zokumkani waseBhabheli, ziwe iingalo zikaFaro; bazi ukuba ndinguYehova, ekulibekeni kwam ikrele esandleni sokumkani waseBhabheli, alolulele phezu kwelizwe laseYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Ndowaphangalalisela amaYiputa ezintlangeni, ndiwachithachithe emazweni; bazi ukuba ndinguYehova.

UHezekile 31

Ukuyalwa kukaFaro ngokuhlele iAsiriya

1Ke kaloku kwathi, ngomnyaka weshumi elinamnye, ngenyanga yesithathu, ngolokuqala enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, yithi kuFaro ukumkani waseYiputa, nakwingxokolo yakhe, Ùfana nabani na ngobukhulu bakho?

3Uyabona, uAsiriya ebengumsedare waseLebhanon, omasebe mahle, eyintshinyela yemithi enomthunzi, ephakamile ngobude; aba phakathi kweengqimba zamafu amantloko akhe.

4Amanzi amkhulisa, amanzi enzonzobila amphakamisa, imilambo yawo yahamba ngeenxa zonke elutyalweni lwawo, athumela imijelo yawo kuyo yonke imithi yasendle.

5Ngako oko, ubude bakhe baphakama, baba ngaphezu kwayo yonke imithi yasendle; iimbaxa zakhe zanda, namahlamvu akhe aba made, ngenxa yamanzi amaninzi ekunabeni kwakhe.

6Zonke iintaka zezulu zákha ezimbaxeni zakhe, zonke izinto eziphilileyo zasendle zazakhela phantsi kwamahlamvu akhe; zonke iintlanga ezinkulu zahlala emthunzini wakhe.

7Wamhle ngobukhulu bakhe, ngobude bamasebe akhe; ngokuba ingcambu yakhe yabe isemanzini amaninzi.

8Imisedare esemyezweni kaThixo ayimsithanga; imisipres ayifananga neembaxa zakhe, nemipleyini ayibanga njengamahlamvu akhe; yonke imithi emyezweni kaThixo ayifananga naye ngobuhle bayo.

9Ndamenza mhle ngobuninzi bamasebe akhe, yaba nomona ngaye yonke imithi yase-Eden, esemyezweni kaThixo.

10Ngako oko yatsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba eziphakamisile ngobude, wawanyusela amantloko akhe phakathi kweengqimba zamafu, yazinyusa intliziyo yakhe ngokuphakama kwakhe:

11ndiya kumnikela esandleni senjengele yeentlanga; inene, iya kumphatha ngesiko layo; ndamgxotha ngenxa yokungendawo kwakhe.

12Bámnqumla abasemzini, abangcangcazelisi basezintlangeni bamlahla. Ezintabeni nasemifuleni yonke awa amasebe akhe; amahlamvu akhe aphukela ezihlanjeni zehlabathi lonke; zehla zemka emthunzini wakhe zonke izizwe zehlabathi, zamlahla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Phezu kwesibili sakhe esiwileyo kuhlala zonke iintaka zezulu, zifike emahlamvini akhe zonke izinto eziphilileyo zasendle;

14ukuze ingaziphakamisi ngenxa yobude bayo yonke imithi yasemanzini, ingawanyuseli phakathi kweengqimba zamafu amantloko ayo, ingaziméli ngokwayo ekuziphakamiseni kwayo, yonke esela amanzi. Ngokuba bonke bephela banikelwe ekufeni, ezweni langaphantsi, phakathi koonyana baka-Adam, kwabahlé baya emhadini.

15Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngemini yokuhla kwakhe ukuya kwelabafileyo, ndabanga isijwili; ndawagqubuthela ngenxa yakhe amanzi anzongonzongo, ndathintela imilambo yawo, avingcelwa amanzi amakhulu. Ndayambathisa iLebhanon ngezimnyama zokuzila ngenxa yakhe, yonke imithi yasendle yetha amandla ngenxa yakhe.

16Ngesithonga sokuwa kwakhe ndazinyikimisa iintlanga, ekumhliseleni kwam ukuba aye kwelabafileyo, nabahlé baya emhadini; yathuthuzeleka ezweni langaphantsi yonke imithi yase-Eden, enyuliweyo emihle yaseLebhanon, yonke esela amanzi.

17Nabo njengaye behla baya kwelabafileyo, kwababuleweyo ngekrele; ababeyingalo yakhe, behleli emthunzini wakhe phakathi kweentlanga.

18Kunjalonje, ùfana nabani na ngobuqaqawuli nangobukhulu emithini yase-Eden? Ùya kuhliselwa nemithi yase-Eden ezweni langaphantsi; ùya kulala phakathi kwabangalukileyo, kwanababuleweyo ngekrele. NguFaro ke lowo, nengxokolo yakhe yonke; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 32

Ukulilelwa kukaFaro

1Ke kaloku kwathi ngomnyaka weshumi elinesibini, ngenyanga yeshumi elinesibini, ngolokuqala enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, menzele isimbonono uFaro ukumkani waseYiputa, uthi kuye, Wafanekiswa nengonyama entsha yeentlanga, nakuba ùbe unjengengwenya elwandle; waxhuma emilanjeni yakho, wawagxobha amanzi ngamathupha akho, wayinyathela imilambo yawo.

3Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndiya kuwutwabulula phezu kwakho umnatha wam, kunye nesikhungu sezizwe ezininzi, zikunyuse ngomnatha wam.

4Ndiya kukulahlela emhlabeni, ndikujulele ebusweni belizwe, ndizihlalise phezu kwakho zonke iintaka zezulu, ndizihluthise ngawe izinto eziphilileyo zehlabathi lonke.

5Ndoyibeka phezu kweentaba inyama yakho, ndiyizalise imifula ngezidumbu zakho;

6ndilisèze ihlabathi ngokuphalala kwegazi lakho, lise ezintabeni; zizale izihlambo nguwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ndiya kulisibekelisa izulu ekukucimeni kwam, ndizambathise iinkwenkwezi zalo
ngezimnyama zokuzila. Ndiya kulisibekela ilanga ngamafu, nenyanga ingakhanyisi
ngokukhanya kwayo.

8Zonke izikhanyiso ezikhanyisayo ezulwini ndiya kuzambathisa ngezimnyama zokuzila
ngenxa yakho, ndenzè ubumnyama phezu kwelizwe lakho; itsho iNkosi uYehova.

9Ndoyenza ibe buhlungu intliziyo yeentlanga ezininzi, ekukuseni kwam ukwaphulwa
kwakho ezintlangeni, emazweni ongawazanga.

10Ndiya kuzimangalisisa ngawe izizwe ezininzi, babe namanwele nokuba namanwele
ngawe ookumkani bazo, ekulilingiseni ikrele lam ebusweni babo, bagubhe
ngamaphanyazo onke, elowo ngenxa yomphefumlo wakhe, ngemini yokuwa kwakho.

11Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ikrele lokumkani waseBhabheli liya
kukufikela.

12Ndiya kuyiwisa ingxokolo yakho ngamakrele amagorha; ngabangcangcazelisi
basezintlangeni bonke bephala; balibhùqe ikratshi leYiputa, itshabalale yonke
ingxokolo yayo.

13Ndiya kuzitshabalalisa zonke iinkomo zayo, zimke emanzini amakhulu, lungabi
sawagxobha unyawo lomntu, namanqina eenkomo angawagxobhi.

14Oko ndiya kuwawuthisa amanzi ayo, nemilambo yayo, ndiyihambise ngokweoli;
itsho iNkosi uYehova.

15Ndakùlenza kube senkangala ilizwe laseYiputa, lenziwe ke kube senkangala ilizwe,
lingabi nayo inzaliseko yalo, ekubaxabeleni kwam bonke abemi balo: baya kwazi
ukuba ndinguYehova.

16Siso esi isimbonono; siya kuvunywa ngokwesimbonono; iintombi zeentlanga ziya
kuyivuma ngokwesimbonono; ngeYiputa nangengxokolo yayo yonke, ziya kuyivuma
ngokwesimbonono; itsho iNkosi uYehova.

IYiputa nezinye iintlanga kwelabafileyo

17Ke kaloku kwathi ngomnyaka weshumi elinesibini, ngolweshumi elinesihlanu
enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

18Nyana womntu, yenza isimema ngengxokolo yaseYiputa, uyihlisele, yona nentombi
yeentlanga eziziingangamsha, ezweni langaphandle, nabahlé baya emhadini.

19Ùdlule bani na ngobuhle bakho? Yihla, ulale kwabangalukileyo.

20Baya kuwa phakathi kwababuleweyo ngekrele; ikrele linikélwe esandleni;
yiqweqwediseni, nengxokolo yayo yonke.

21Ziya kuthetha ngaye iinjengele zamagorha phakathi kwelabafileyo, nabancedi
bakhe, zithi, Behlile, balele khona abangalukileyo, bebulewe ngekrele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Ukhona uAsiriya nebandla lakhe lonke; ngeenxa zonke kuye ngamangcwaba abo, bonke bephela bebulewe, bewe likrele; abamangcwaba abo enziwe emhadini phakathi,

23ibandla lakhe lingeenxa zonke engcwabeni lakhe; bonke bephela bebulewe, bewe likrele, abaye besothusa ilizwe labahleliyo.

24Ukhona uElam, nengxokolo yakhe yonke engeenxa zonke engcwabeni lakhe; bonke bephela bebulewe, bewe likrele, ababehlé baya ezweni langaphantsi bengalukile; abaye besothusa ilizwe labahleliyo, bathwala ihlazo labo nabehlé baya emhadini.

25Bamenzela isilili phakathi kwababuleweyo, enengxokolo yakhe yonke; aba ngeenxa zonke kuye amangcwaba ayo; bonke bephela bengalukile, bebulewe ngekrele; ngokuba bóthusa abasezweni labahleliyo, bathwala ihlazo nabehlé baya emhadini; ubekwe phakathi kwababuleweyo.

26Ukhona uMesheki-Tubhali, nengxokolo yakhe yonke, engeenxa zonke kuye amangcwaba ayo; bonke bephela bengalukile, bebulewe ngekrele; ngokuba besothuse ilizwe labahleliyo.

27Ke abayi kulala namagorha awileyo angawabangalukileyo, abehláyo baya kwelabafileyo beneempahla zokulwa, ebekwe amakrele abo phantsi kweentloko zabo; ubugwenxa babo buwafikele amathambo abo; ngokuba baye besothusa amagorha ezweni labahleliyo.

28Nawe ke uya kwaphulwa phakathi kwabangalukileyo, ulale nababuleweyo ngekrele.

29Ukhona uEdom, ookumkani bakhe nezikhulu zakhe zonke, abathi benobugorha babekwa kwababuleweyo ngekrele; balala nabangalukileyo, nabehlé baya emhadini.

30Zikhona iinkosi zasentla, zonke ziphela, namaTsidon onke, ezehlayo nababuleweyo; zidanile, noko beziqhiphukisa umbilini ngobugorha bazo; zilele zingabangàlukileyo kwanababuleweyo ngekrele, zithwele ihlazo lazo nabehlé baya emhadini.

31UFaro uya kubabona, athuthuzeleke ngenxa yengxokolo yakhe yonke; uFaro ubulewe ngekrele nempi yakhe yonke; itsho iNkosi uYehova.

32Ngokuba ndamnika ukuba othuse ilizwe labahleliyo; ulalisiwe ke phakathi kwabangalukileyo, kwanababuleweyo ngekrele, uFaro nengxokolo yakhe yonke; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 33

Imfanelo yomboniseli

1Ke kaloku kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Nyana womntu, thetha koonyana babantu bakowenu, uthi kubo, Xa ndithe ilizwe ndalizisela ikrele, abantu belizwe elo bathabatha indoda yaseziphelweni zabo, bayimisa ukuba ibe ngumboniseli wabo;

3yábona ikrele lilifikela ilizwe elo, yavuthela isigodlo, yabavusa abantu;

4ke umntu othe waliva izwi lesigodlo, àkavuswa, lafika ikrele elo, lamthabatha: loba sentlokweni yakhe igazi lakhe.

5Izwi lesigodlo úlivile, akavuswa, igazi lakhe loba phezu kwakhe; evusiwe, ange ewusizile umphefumlo wakhe.

6Umboniseli lowo, xa athe walibona ikrele lisiza, àkavuthela isigodlo, àkabavusa abantu; lafika ikrele, lathabatha kubo umphefumlo: lowo uthatyathwe ngobugwenxa bakhe, ke igazi lakhe ndolibiza esandleni somboniseli lowo.

7Wena ke, nyana womntu, ndikwenzé waba ngumboniseli kwindlu kaSirayeli; wòliva emlonyeni wam ilizwi, ubavuselele ngokuphuma kum.

8Ndákuthi kongendawo, Wena ungendawo, ùya kufa, inene; usuke ungathethi wena, ukuba umvuselele ongendawo, emke endleleni yakhe: wofa yena ongendawo ngobugwenxa bakhe, ke igazi lakhe ndolifuna esandleni sakho.

9Wena ke, xa uthe wamvuselela ongendawo endleleni yakhe, ukuba abuye kuyo, àkabuya endleleni yakhe: wofa yena ngobugwenxa bakhe, ke wena ùwuhlangule umphefumlo wakho.

Imigwebo kaThixo ilungile

10Ke kaloku wena, nyana womntu, yithi kwindlu kaSirayeli, Niyalungisa ukuthi, Izikreqo zethu nezono zethu ziphezu kwethu; siyangcungcutheka kuzo; singáthini na ukuphila?

11Yithi kubo, Ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, unakanye ukuba kube mnandi kum ukufa kongendawo; kumnandi kum ukubuya kongendawo endleleni yakhe, aphile. Buyani, buyani ezindleleni zenu ezimbi! Yini na ukuba nide nife, ndlu kaSirayeli?

12Wena ke, nyana womntu, yithi koonyana babantu bakowenu, Ubulungisa belungisa abuyi kulihlangula ngemini yokreqo lwalo; ongendawo akayi kukhubeka ngokungendawo kwakhe, ngemini yokubuya kwakhe kokungendawo kwakhe; nelungisa aliyi kuphila ngabo ngemini yokona kwalo.

13Ndákuthi kwilungisa, inene, lophila; lize ke likholose ngobulungisa balo, lenzè ngobugqwetha: bonke ubulungisa balo abuyi kukhunjulwa; lofa ngobugqwetha balo elibenzileyo.

14Ndákuthi kongendawo, Inene, uya kufa; abuye ekoneni kwakhe, enze ngokusesikweni nangobulungisa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15ongendawo asibuyise isibambiso, ayimisele into ehluthwe nguye, ahambe
ngemimiselo yobomi, angenzi ngobugqwetha: inene, wophila, akayi kufa.

16Zonke izono zakhe awóna ngazo aziyi kukhunjulelwa kuye; wenzé ngokusesikweni
nangobulungisa; inene, wophila.

17Bathi ke oonyana bakowenu, Indlela kaYehova ayilungelelene; kanti ngábo,
abandlela ingalungeleleneyo.

18Lakùbuya ilungisa ebulungiseni balo, lenzè ngobugqwetha, lofa ngabo.

19Akùbuya ongendawo kokungendawo kwakhe, enze ngokusesikweni
nangobulungisa, inene, wophila ngenxa yoko.

20Nìthi ke, Indlela yeNkosi ayilungelelene. Ndiya kunigweba, elowo ngokweendlela
zakhe, ndlu kaSirayeli.

Isizathu sokubethwa kweYerusalem

21Ke kaloku kwathi ngomnyaka weshumi elinesibini emva kokuthinjwa kwethu,
ngenyanga yeshumi, ngolwesihlanu enyangeni leyo, kwafika kum osindileyo
eYerusalem, wathi, Umzi ubulewe.

22Isandla sikaYehova saba phezu kwam ngokuhlwa, ngaphambi kokufika kosindileyo.
Wawuvula ke umlomo wam, wada wafika kum kusasa; wavuleka umlomo wam,
andaba saba sisidenge.

23Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

24Nyana womntu, abahleli emanxuweni emhlabeni wakwaSirayeli batsho ukuthi,
uAbraham wayemnye, walidla ilifa ilizwe; ke thina sibaninzi, silinikiwe ilizwe ukuba
silidle ilifa.

25Ngako oko yithi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Nidla into enegazi, amehlo enu
niwaphakamisele ezigodweni zenu, niphalaze igazi; nolidla ilifa na ke ilizwe?

26Nimi ngekrele lenu, nenza amasikizi, nithi elowo nimènze inqambi umfazi
wommelwane wakhe; nòlidla ilifa na ke izilwe?

27Yitsho kubo ukuthi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ndihleli nje, abo basemanxuweni
baya kuwa likrele; lo usendle ndimnikéle emarhamncweni, ukuba amdle; bafe
yindyikitya yokufa abasezimboniselweni nasemiqolombeni.

28Ndiya kulenza kube senkangala yakwankangala ilizwe, liphele iqhayiya lamandla
alo, zibe senkangala iintaba zakwaSirayeli, kungacandi bani kuzo;

29bázi ukuba ndinguYehova, ndákulenza kube senkangala yakwankangala ilizwe,
ngenxa yamasikizi onke ababewenzile.

Abalivayo ilizwi bangalenzi

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Wena ke, nyana womntu, oonyana babantu bakowenu bancokola ngawe
ngasezindongeni naseminyango yezindlu, elowo ethetha nomnye, elowo
nomzalwana wakhe, esithi, Khanize, sive ukuba lilizwi eliyini na eliphuma kuYehova.

31Beza kuwe njengokuza kwabantu, bahlale phambi kwakho ngokwabantu bam,
baweve amazwi akho, bangàwenzi; kuba benza okukhanukwa ngumlomo wabo;
intliziyo yabo ilandela inzuzo yabo embi.

32Yabona, kubo ùnjengovuma ingoma emnandi, ozwi liyolileyo, olungisayo ukubetha
uhadi; bawève amazwi akho, bangàwenzi noko.

33Kothi ke kwakufika oko — nanko kusiza — bazi, ukuba bekukho umprofeti phakathi
kwabo.

UHezekile 34

Isiprofeto sokuchasa abalusi bakaSirayeli abanolunya

1Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, profeta ngabalusi bakwaSirayeli; profeta, uthi kubo, ngabalusi abo,
Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yeha ke abalusi bakwaSirayeli, abaye bezalúsa
ngokwabo! Abalusi babengafanele ukwalúsa umhlambi wabo, yini na?

3Amanqatha niyawadla, uboya nizambathise ngabo; ezityetyisiweyo izimvu
niyazixhela, umhlambi aniwalusi.

4Ezityhafileyo anizomelezi, ezifayo aniziphilisi, ezaphukileyo anizibophi, eziziintsali
anizibuyisi, ezidakileyo anizifuni; nizinyathela ngamandla kalukhuni.

5Zaba lusali ngokungabi namalusi; zaba kukudla kwamarhamncwa onke asendle,
zaba lusali.

6Umhlambi wam wadungudela ezintabeni zonke, nasezindulini zonke ezinde, waba
lusali umhlambi wam ebusweni bonke belizwe. Akubangakho namnye
uwukhathalelayo, akwabakho namnye uwufunayo.

7Ngako oko, balusindini, liveni ilizwi likaYehova, lisithi,

8Ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, inyaniso, ngenxa enokuba umhlambi wam
ulixhoba, umhlambi wam udliwa ngamarhamncwa onke asendle, ngokungabi
namalusi; abalusi bam bengawukhathaleli umhlambi wam, abalusi bezalúsa
ngokwabo, bengawalusi umhlambi wam:

9ngako oko, balusindini, liveni ilizwi likaYehova, lisithi,

10Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndibachasile abalusi. Ndiya kuwubiza
umhlambi wam ezandleni zabo, ndibanqumamise ekwaluseni umhlambi wam,
bangabi sazalúsa ngokwabo abalusi; ndiwuhlangùle umhlambi wam emlonyeni wabo,
ungabi saba kukudla kubo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukukhathalela kweNkosi umhlambi wayo

11Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, mna ngokwam ndiya
kuwukhathalela umhlambi wam, ndiwuvelele.

12Njengoko umalusi awuvelelayo umhlambi wakhe, ngemini yokubakho kwakhe
phakathi komhlambi wakhe othiwe saa qhu, ndiya kwenjenjalo ukuwuvelela
umhlambi wam; ndiwuhlangule ezindaweni zonke, owaba lusali kuzo ngemini
enamafu, enamafu amnyama.

13Ndiya kuwukhupha ezizweni, ndiwubuthe emazweni, ndiwuse emhlabeni wawo,
ndiwalusele ezintabeni zakwaSirayeli, ezihlanjeni nasezindaweni zonke ezimiweyo
zelizwe.

14Ndiya kuwalusela ebutyanini obulungileyo, libe sezintabeni ezinde zakwaSirayeli
idlelo lawo; edlelweni elilungileyo, úya kubutha khona, udle utyani obutyebileyo
ezintabeni zakwaSirayeli.

15Mna ndiya kuwalúsa umhlambi wam, ndiwenze ubuthe mna; itsho iNkosi uYehova.

16Ezilahlekileyo ndiya kuzifuna, ndibuyise eziziintsali, ndibophe ezaphukileyo,
ndizomeleze ezifayo; ke ezityebileyo ndozitshabalalisa, nezomeleleyo ndizaluse
ngokusesikweni.

17Nina ke, mhlambi wam, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndiya kugweba
phakathi kweegusha neegusha, naphakathi kweenkunzi zeegusha neenkunzi
zeebhokhwe.

18Yinto encinane na kuni, ukuthi nibudle utyani obulungileyo, nize okuseleyo kotyani
nikunyhashe ngamanqina enu? nisèle amanzi angcwengekileyo, niwagxobhe aseleyo
ngamanqina enu?

19Umhlambi wam udla obunyhashiweyo ngamanqina enu; usela agxojiweyo
ngamanqina enu.

20Ngako oko itsho iNkosi uYehova kuzo ukuthi, Yabonani, mna ndiya kugweba
phakathi kweegusha ezityebileyo neegusha ezinqinileyo.

21Ngenxa enokuba nityhala ngehleza nangegxalaba, nizihlabe ngeempondo zenu
ezityhafileyo zonke, nide nizenze zibe lusali, zigqibe ilizwe:

22ndowusindisa umhlambi wam, ungabi saba lixhoba, ndigwebe phakathi kweegusha
neegusha.

23Ndomisa phezu kwawo umalusi abe mnye, awaluse, umkhonzi wam uDavide; yena
uya kuwalúsa, abe ngumalusi wawo yena;

24mna Yehova ndibè nguThixo wawo, umkhonzi wam uDavide abe sisikhulu phakathi
kwawo; mna Yehova ndithethile.

Umnqophiso woxolo weNkosi uYehova

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Ndiya kuwenzela umnqophiso woxolo, ndiwaphelise amarhamncwa amabi elizweni, uhlale entlango ukholosile, ulale emahlathini.

26Ndowenza wona, kwaneendawo ezingeenxa zonke endulini yam, ube yintsikelelo; ndihlise imvula ngexesha elililo; iya kuba yimvula yentsikelelo.

27Umthi wasendle wonika isiqhamo sawo, ilizwe linike indyebo yalo, banqabe emhlabeni wabo; bazi ukuba ndinguYehova, ekuzaphuleni kwam izikeyi zedyokhwe, ndibahlangule esandleni sâbo babebakhonzisa.

28Abayi kuba saba lixhoba leentlanga, angàbadli amarhamncwa elizwe; bahlale bekholosile, kungabikho ubothusayo.

29Ndobavelisela isityalo sokuba ludumo, bangabi sasuswa yindlala ezweni, bangabi sathwala hlazo leentlanga.

30Baya kwazi ukuba mna Yehova Thixo wabo ndinabo, bangabantu bam bona, indlu kaSirayeli; itsho iNkosi uYehova.

31Nina ke ningumhlambi wam, umhlambi wedlelo lam; nisisintu, ndinguThixo wenu; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 35

Isiprofeto sokuchasa iNtaba yakwaSehire ne-Edom

1Ke kaloku kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, bhekisa ubuso bakho entabeni yakwaSehire,

3uprofete ngayo, uthi kuyo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndikuchasile, ntaba yakwaSehire. Ndosolulela isandla sam phezu kwakho, ndikwenze kube senkangala yakwankangala.

4Imizi yakho ndiya kuyenza amanxuwa, ube senkangala; wazi ukuba ndinguYehova.

5Ngenxa enokuba waba nobutshaba obungunaphakade, wabanikela esandleni sekrele oonyana bakaSirayeli ngexesha lokusindeka kwabo, ngexesha lobugwenxa bokuphela:

6ngako oko, ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, ndiya kukwenza igazi; lókusukela ke igazi; ngokokuba ungalithiyanga igazi, lókusukela igazi.

7Ndoyenza kube senkangala yakwankangala intaba yakwaSehire, ndinqumle kuyo odlulayo nobuyayo.

8Ndiya kuzizalisa iintaba zakhe ngababuleweyo bakhe; ezindulini zakho, nasemifuleni yakho, nasezihlanjeni zakho zonke, ababuleweyo ngekrele bawe kuzo.

9Ndiya kukwenza kube senkangala kuwe ngonaphakade, imizi yakho ingemiwa mntu; názi ukuba ndinguYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ngenxa enokuba usithi, Iintlanga ezi zombini namazwe la omabini ngawam, sowahlutha; ukanti uYehova ukhona;

11ngako oko ndihleli nje, itsho iNkosi uYehova, ndiya kwenza kuwe ngokomsindo wakho, nangokobukhwele bakho, obenzileyo kubo ngentiyo yakho; ndizazise kubo, xenikweni ndithe ndakugweba.

12Ùya kwazi ukuba mna Yehova ndikuvile konke ukugiba kwakho, owakuthethayo ngeentaba zakwaSirayeli, usithi, Kusenkangala kuzo, sizinikiwe ukuba zibe kukudla.

13Nizikhulisele ngam ngemilomo yenu, nawafumba phezu kwam amazwi enu; ndivile ke mna.

14Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Lakùvuya ihlabathi lonke, ndokwenza kube senkangala kuwe.

15Njengoko walivuyelayo ilifa lendlu kaSirayeli, ngenxa yokuba bekusenkangala kulo, ndiya kwenjenjalo kuwe; kuya kuba senkangala kuwe, ntaba yakwaSehire, nelakwaEdom lonke liphela; bazi ukuba ndinguYehova.

UHezekile 36

Iintaba zakwaSirayeli ziya kuchuma

1Wena ke, nyana womntu, profeta ngazo iintaba zakwaSirayeli, uthi, Zintaba zakwaSirayeli, liveni ilizwi likaYehova!

2Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba utshaba lusithi ngani, Tshotsho, imimango engunaphakade ibililifa lethu!

3ngako oko profeta uthi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba, ewe, ngenxa enokuba benenzé kwaba senkangala, baniginya ngeenxa zonke, ukuze nibe lilifa lamasalela eentlanga, naba semilonyeni yabanolwimi nasentlebendwaneni yabantu:

4ngako oko, nina zintaba zakwaSirayeli, liveni ilizwi leNkosi uYehova, lisithi, Itsho iNkosi uYehova kwiintaba nakwiinduli, kwizihlambo nakwimifula, kwiindawo ezibharhileyo ezingamanxuwa nakwimizi eshiyiweyo, eyaba lixhoba nesigculelo samasalela eentlanga ezingeenxa zonke;

5ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Inyaniso, ndithethé ngomlilo wobukhwele bam ngawo amasalela eentlanga, nangamaEdom onke ephela, alenzé ilifa lawo ilizwe lam, evuyile ngentliziyo yonke, ecukuceza ngomphefumlo, ukuze alilahle libe lixhoba.

6Ngako oko, profeta ngomhlaba wakwaSirayeli, uthi kwiintaba nakwiinduli, kwizihlambo nakwimifula, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndithethé ndinobukhwele, ndinobushushu, ngenxa enokuba nilithwele ihlazo leentlanga.

7Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Mna ndisiphakamisile isandla sam; inyaniso, iintlanga ezingeenxa zonke kuni, zona ziya kuthwala ihlazo lazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ke nina, zintaba zakwaSirayeli, niya kuvelisa amasebe, iziqhamo zenu nizixakathele abantu bam amaSirayeli; ngokuba sekukufuphi ukuvela kwazo.

9Ngokuba, niyabona, ndingakuni; ndobuyela kuni, nilinywe, nihlwayelwe.

10Ndiya kwandisela abantu phezu kwenu, yonke indlu kaSirayeli, yonke iphela, imiwe imizi, akhiwe amanxuwa.

11Ndiya kwandisela abantu ke neenkomo phezu kwenu, bande, baqhame; ndinènze nimiwe ngokwangaphambili ke, ndinenzele okulungileyo ngaphezu kokwasekuqaleni kwenu; názi ukuba ndinguYehova.

12Ndohambisa abantu phezu kwenu, abantu bam amaSirayeli, bakuzuze ube lilifa labo, ungasabuyi ubahluthe abantwana.

13Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenxa enokuba bathi kuwe, Usisidlabantu, uluhluthe abantwana uhlanga lwakho:

14ngako oko akuyi kubuya ube sisidlabantu, ungabuyi ulukhubekise uhlanga lwakho; itsho iNkosi uYehova.

15Andiyi kubuya ndikuvise ihlazo leentlanga, ungabuyi usithwale isingcikivo sezizwe, ungabuyi ulukhubekise uhlanga lwakho; itsho iNkosi uYehova.

USirayeli wohlwayelwa izono zakhe

16Kwafika ke ilizwi likaYehova kum, lisithi,

17Nyana womntu, xa indlu kaSirayeli yabe ihleli emhlabeni wayo, báwenza inqambi ngeendlela zabo nangeentlondi zabo; iindlela zabo phambi kwam zaba njengobunqambi bomfazi onomzi.

18Ndaphalaza ubushushu bam phezu kwabo ngenxa yegazi, ababeliphalaze ezweni elo, nangenxa yokulenza inqambi kwabo ngezigodo zabo.

19Ndabenza baba lusali ezintlangeni, bachithwachithwa emazweni; ndabagweba ngokweendlela zabo, nangokweentlondi zabo.

20Bafika ezintlangeni ezo babesiya kuzo, balihlambela igama lam elingcwele; ekubeni bekusithiwa ngabo, Ngabantu bakaYehova aba, baphumé ezweni lakhe.

21Ndaba nofefe ngenxa yegama lam elingcwele, ebeyilihlambele indlu kaSirayeli ezintlangeni ábaya kuzo.

Ukubuyiswa kukaSirayeli ngenxa yeNkosi

22Ngako oko yithi kwindlu kaSirayeli, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Andenzi ngenxa yenu, ndlu kaSirayeli; ndenza ngenxa yegama lam elingcwele, enilihlambeleyo ezintlangeni ebe niye kuzo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Ndiya kulingcwalisa igama lam elikhulu, elihlanjelweyo ezintlangeni, enilihlambeleyo phakathi kwazo; ukuze zazi iintlanga ukuba ndinguYehova, itsho iNkosi uYehova, ndakùzingcwalisa ngokwam kuni emehlweni azo.

24Ndonithabatha ke ezintlangeni, ndinibuthe emazweni onke, ndinise emhlabeni wenu.

25Ndiya kunitshiza ngamanzi amhlophe, nihlambuluke; ndinihlambùlule kubunqambi benu bonke, nakwizigodo zenu zonke.

26Ndoninika intliziyo entsha, ndininike umoya omtsha ngaphakathi kwenu; ndiyisuse intliziyo elilitye enyameni yenu, ndininike intliziyo eyinyama.

27Ndofaka uMoya wam ngaphakathi kwenu, ndinenze nihambe ngemimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze;

28niya kuhlala ezweni endalinika ooyihlo; nibe ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wenu.

29Ndiya kunisindisa ebunqambini benu bonke, ndibize ingqolowa, ndiyandise, ndinganiziseli indlala.

30Ndosandisa isiqhamo somthi nokuphuma emasimini, ukuze ningabuyi namkeliswe isingcikivo sendlala ezintlangeni.

31Niya kuzikhumbula ke iindlela zenu ezimbi, neentlondi zenu ezingalungileyo, nizikruqukele ngokwenu, ngenxa yobugwenxa benu nangenxa yamasikizi enu.

32Andiyi kukwenza oku ngenxa yenu, itsho iNkosi uYehova; makwazeke oko kuni. Danani, nibe nehlazo ngenxa yeendlela zenu, ndlu kaSirayeli.

33Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngemini endiya kunihlambulula ngayo ebugwenxeni benu bonke, ndiya kuyenza imizi ukuba imiwe, akhiwe amanxuwa.

34Ilizwe ebe kusenkangala kulo liya kulinywa, endaweni yokuba bekusenkangala kulo emehlweni abo bonke abadlulayo.

35Baya kuthi, Eli lizwe, bekusenkangala kulo, lisuke laba njengomyezo wase-Eden; nemizi ebeyibharhile, ebingamanxuwa, ebigungxulwe, imiwe, inqatyisiwe.

36Ziya kwazi ke iintlanga eziseleyo ngeenxa zonke kuni, ukuba mna Yehova ndakha into egungxulweyo, ndiyityale indawo ebe kusenkangala kuyo. Mna Yehova ndithethile, ndiya kwenza.

37Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngale nto ndisaya kuquqelwa yindlu kaSirayeli, ukuba ndibenzele; ndiya kubandisa babe sisintu njengomhlambi;

38njengomhlambi ongamadini angcwele, njengomhlambi waseYerusalem ngamaxesha ayo amisiweyo; ukuzala yimihlambi yabantu, iya kuba njalo imizi engamanxuwa; bazi ukuba ndinguYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHezekile 37

Umbono wentili yamathambo omileyo

1Saba phezu kwam isandla sikaYehova; waphuma nam uYehova, ndikuMoya,
wandibeka entilini phakathi; yona ke izele ngamathambo.

2Wandidlulisa kuwo, wandijikelezisa ngeenxa zonke; yabona, ebemaninzi kakhulu
entilini leyo; yabona, ebeselomile kakhulu.

3Wathi ke kum, Nyana womntu, aya kuphila na ke la mathambo? Ndathi, Nkosi
Yehova, kwazi wena.

4Wathi kum, Profeta phezu kwala mathambo, uthi kuwo, Mathambondini, liveni
ilizwi likaYehova.

5Itsho iNkosi uYehova kula mathambo, ukuthi, Niyabona, ndingenisa umoya kuni;
niya kuphila ke.

6Ndiya kunifaka imisipha, ndimilise kuni inyama, ndinaleke ngolùsu, ndifake umoya
ngaphakathi kwenu, niphile; názi ukuba ndinguYehova.

7Ndaprofeta ngoko bendiwiselwe umthetho ngako; kwabakho isandi ndàkuprofeta;
nanko kurhashaza, asondelelana amathambo, ithambo lasondela kwithambo lalo.

8Ndakhangela, nanko kukho imisipha kuwo, yamila inyama, kwaleka ulùsu
luthabathela phezulu; umoya ke awabakho.

9Wathi kum, Profeta kuwo umoya, profeta, nyana womntu, uthi kuwo umoya, Itsho
iNkosi uYehova ukuthi, Vela, moya kwimimoya yominé, uphefumlele kwaba
babuleweyo, baphile.

10Ndaprofeta ke ngoko bendiwiselwe umthetho ngako. Wangena umoya kuwo;
baphila, bema ngeenyawo, umkhosi omkhulu kakhulu kunene.

Ukuvuswa kwamathambo kuzekelisa uSirayeli

11Wathi ke kum, Nyana womntu, la mathambo yindlu kaSirayeli yonke; yabona,
bathi, Amathambo ethu omile, nethemba lethu lidakile, sìnqanyulwe.

12Ngako oko profeta, uthi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndiya
kuwavula amangcwaba enu, ndininyuse niphume emangcwabeni enu, bantu bam,
ndinise emhlabeni wakwaSirayeli.

13Niya kwazi ukuba ndinguYehova, ekuwavuleni kwam amangcwaba enu,
nasekuninyuseni kwam, niphume emangcwabeni enu, bantu bam.

14Ndofaka uMoya wam kuni, niphile, ndinibeke emhlabeni wenu; nazi ukuba mna
Yehova ndithethile, ndiya kwenza; utsho uYehova.

UYuda noSirayeli baya kumanywa kwakhona uDavide engukumkani

15Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Wena ke, nyana womntu, thabathela kuwe intonga ibe nye, ubhale kuyo uthi,
EkaYuda, neyoonyana bakaSirayeli, amadlelane akhe; uthabathe enye intonga ubhale
kuyo uthi, EkaYosefu (intonga kaEfrayim), nendlu yonke kaSirayeli, amadlelane akhe;

17uzisondeze ke, enye kwenye, zibe ntonga-nye, zibe nto-nye esandleni sakho.

18Bothi bakuthetha nawe oonyana babantu bakowenu, besithi, Akasixeleli na,
ziyintoni na ezi ntonga kuwe?

19uthi wena kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndiya kuyithabatha
intonga kaYosefu, esesandleni sikaEfrayim nezizwe zikaSirayeli, amadlelane akhe
endiwabeke kuyo ndawonye nentonga kaYuda, ndibenze babe ntonga-nye, babe nto-
nye esandleni sam.

20Iintonga obhale kuzo zize zibe sesandleni sakho emehlweni abo.

21Uze uthi kubo, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabonani, ndiya kubathabatha
oonyana bakaSirayeli phakathi kweentlanga abahamba kuzo, ndibabuthe, bavele
ngeenxa zonke, ndibàse emhlabeni wabo.

22Ndobenza babe luhlanga lunye elizweni elo, ezintabeni zakwaSirayeli, abe mnye
ukumkani, engukumkani wabo bonke bephela; bangabuyi babe ziintlanga ezimbini,
bangabuyi bahluke babe zizikumkani ezibini.

23Abayi kubuya bazenze iinqambi ngezigodo zabo, nangezinto zabo ezinezothe,
nangezikreqo zabo zonke; ke ndobasindisa emakhayeni abo onke, ababesona kuwo,
ndibahlambulule, babe ngabantu bam, ndibe nguThixo wabo.

24Umkhonzi wam uDavide woba ngukumkani kubo, abe ngumalusi omnye kubo
bonke bephela; bahambe ngamasiko am, bagcine imimiselo yam, bayenze.

25Bohlala ezweni elo, ndalinika umkhonzi wam uYakobi, ababehleli kulo ooyise;
bahlale ke khona, bona nabantwana babantwana babo kude kuse ephakadeni;
uDavide, umkhonzi wam, abe sisikhulu sabo ngonaphakade.

26Ndobenzela umnqophiso woxolo; uya kuba ngumnqophiso ongunaphakade kubo;
ndibamise, ndibandise, ndibeke ingcwele yam phakathi kwabo ngonaphakade.

27Umnquba wam uya kuba phezu kwabo, ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam;

28zazi iintlanga ukuba ndinguYehova ongcwalise amaSirayeli, xa ingcwele yam iya
kubakho phakathi kwabo ngonaphakade.

UHezekile 38

Isiprofeto sokuchasa uGogi

1Ke kaloku, kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

2Nyana womntu, bubhekise ubuso bakho kuGogi wasezweni lakwaMagogi, isikhulu
sakwaRoshe noMesheki noTubhali, uprofete ngaye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Yithi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndikuchasile, Gogi, sikhulu sakwaRoshe
noMesheki noTubhali.

4Ndiya kukuphambanisa, ndikufake amakhonkco emihlathini, ndikurhole nempi
yakho yonke, amahashe nabamahashe, abaxhobe baphelelisela bonke bephela,
ibandla elikhulu, benamakhaka neengweletshetshe, bephethe amakrele bonke
bephela:

5benamaPersi namaKushi namaPuti, onke ephela eneengweletshetshe nezigcina-
ntloko; uGomere namahlelo akhe onke,

6nendlu kaTogarma ezingontsini zasentla, inamahlelo akhe onke; izizwe ezininzi
zinawe.

7Lunga, uzilungisele iinto zonke, wena nebandla lakho lonke, elibizelwe ndawonye
kuwe, ube ngumgcini walo.

8Emva kwemihla emininzi ùya kuvelelwa; ekupheleni kweminyaka leyo uya kufika
elizweni elibuyisiweyo ekreleni, libuthiwe ezizweni ezininzi; ufike ezintabeni
zakwaSirayeli ezahlala zibharhile. Lona likhutshwé ezizweni, baza bahlala bekholosile
bonke bephela.

9Ùya kunyuka uze njengesiphango, njengelifu ukulisibekela ilizwe, wena namahlelo
akho onke, nezizwe ezininzi ezinawe.

Ngokuhlasela uSirayeli uGogi uya kubhukuqwa yiNkosi

10Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngaloo mini, kuya kuthi qatha izinto entliziyweni
yakho, ucinge ingcinga embi.

11Uya kuthi, Ndiya kunyuka ndiye ezweni lamaphandle; ndiya kubafikela abazolileyo,
abahleli bekholosile bonke bephela, abahleli bengenazindonga, bengenamivalo
nazingcango;

12ukuba uthimbe, uhlasele amaxhoba, usibuyisele isandla sakho kumanxuwa
amiweyo, nakubantu abahlanganisiweyo ezintlangeni, bezuze imfuyo nempahla,
abahleli esazulwini somhlaba.

13OoShebha noDedan, nabarhwebi baseTarshishe, neengonyama ezintsha zabo
zonke, baya kuthi kuwe, Uzé kuthimba na, ukuba lihlasele amaxhoba na ibandla
lakho olibizele ndawonye? ukuba limke negolide nesilivere, lithabathe imfuyo
nempahla, lithimbe kakhulu na?

14Ngako oko profeta, nyana womntu, uthi kuGogi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Akuyi
kuba njalo na ngaloo mini, ekuhlaleni kwabantu bam amaSirayeli bekholosile, ùya
kuyazi loo nto?

15Uya kuphuma endaweni yakho, ezingontsini zasentla, wena nezizwe ezininzi
ezinawe, bekhwele emahasheni bonke bephela, ibandla elikhulu, impi eninzi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16unyùke ubafikele bantu bam amaSirayeli njengelifu, ukuba ulisibekele ilizwe. Ekupheleni kwemihla kuya kubakho oko, ndikuse, ulifikele ilizwe lam, ukuze iintlanga zindazi, ekuzingcwaliseni kwam kuwe emehlweni azo, Gogi.

17Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Nguwe na lowa, ndandithetha yena ngeemini zamandulo ngomlomo wabakhonzi bam, abaprofeti bakwaSirayeli, ababeprofeta iminyaka kwezo mini ngelithi, ndokuzisa phezu kwabo?

18Kuya kuthi ngaloo mini, ngemini yokuwufikela kukaGogi umhlaba wakwaSirayeli, itsho iNkosi uYehova, bunyuke ubushushu bam emathatheni am.

19Ke ndithethé ndínobukhwele, ndínomlilo wokuphuphuma komsindo wam. Inyaniso, ngaloo mini kuya kubakho ukunyikima okukhulu emhlabeni wakwaSirayeli.

20Ziya kunyikima phambi kwam iintlanzi zolwandle, neentaka zezulu, namarhamncwa asendle, nezinambuzane zonke ezinambuzelayo emhlabeni, nabantu bonke abasebusweni bomhlaba, zigungxulwe iintaba, iwe imixawuka, zonke iindonga ziwe emhlabeni.

21Ndombizela ikrele ezintabeni zam zonke, itsho iNkosi uYehova; ikrele lomntu liya kuma kumzalwana wakhe.

22Ndiya kumgweba ngendyikitya yokufa nangegazi; nangesiphango esikhukulayo, nangamatye esichotho, umlilo nesulfure ndiwunise phezu kwakhe, naphezu kwamahlelo akhe, naphezu kwezizwe ezininzi ezinaye.

23Ndiya kuzikhulisa, ndizingcwalise, ndizazise ngokwam emehlweni eentlanga ezininzi; zazi ukuba ndinguYehova.

UHezekile 39

Ukungcwatywa kwemikhosi kaGogi

1Wena ke, nyana womntu, profeta ngoGogi, uthi, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yabona, ndikuchasile, Gogi, sikhulu sakwaRoshe noMesheki noTubhali.

2Ndiya kukuphambanisa, ndikurhole, ndikunyuse uphume ezingontsini zasentla, ndikuse ezintabeni zakwaSirayeli.

3Ndosithi qhwithi isaphetha sakho esandleni sakho sokhohlo, ndiziwise iintolo zakho esandleni sakho sokunene.

4Ùya kuwa ezintabeni zakwaSirayeli, wena namahlelo akho onke, nezizwe ezinawe. Ndiya kukunikela ezintakeni ezixwilayo zeentlobo ngeentlobo, nasemarhamncweni asendle, ukuba ube kukudla.

5Ùya kuwa ebusweni belizwe, ngokuba ndithethile; itsho iNkosi uYehova.

6Nothumela umlilo kwaMagogi, nakubemi beziqithi abakholosileyo; bazi ukuba ndinguYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ndiya kulazisa igama lam elingcwele phakathi kwabantu bam amaSirayeli, ndingabuyi ndilingcolise igama lam elingcwele; zazi iintlanga ukuba ndinguYehova, oyiNgcwele kwaSirayeli.

8Yabona, le nto iyeza, iya kubakho; itsho iNkosi uYehova; yiloo mini ndandithetha yona.

9Ke baya kuphuma abemi bemizi yakwaSirayeli, baphembe babáse umlilo ngezikrweqe, nangeengweletshetshe, nangamakhaka, ngezaphetha, nangeentolo, nangeenduku, nangezikhali; baphembe umlilo ngazo iminyaka esixhenxe.

10Abayi kutheza zinkuni endle, bangagawuli nasemahlathini; ngokuba baya kuwuphemba ngezikrweqe umlilo; bathìmbe kwabo babethinjwe ngabo, baphange ababephangwe ngabo; itsho iNkosi uYehova.

11Kuya kuthi ngaloo mini, ndimnike uGogi indawo, apho liya kuba khona ingcwaba lakhe kwaSirayeli, umfula wabadluli ngasempumalanga elwandle; ùbavalele abadluli; bamngcwabele khona uGogi nengxokolo yakhe yonke, bathi ngumfula wengxokolo kaGogi.

12Indlu kaSirayeli yoba neenyanga ezisixhenxe ibangcwaba, ukuze balihlambulule ilizwe;

13bonke abantu belizwe eli bangcwabe, kube ludumo kubo mini ndizizukisayo; itsho iNkosi uYehova.

14Baya kubalula amadoda anomonde acandacanda elizweni, nahamba nalawo acandacandayo, angcwabe abaseleyo ebusweni belizwe, ukuba alihlambulule. Ekupheleni kweenyanga ezisixhenxe aya kuligocagoca.

15Baya kucanda abacandacanda elizweni, babone ithambo lomntu, bamise umthelekelelo ecaleni kwalo, bade abangcwabi abo balingcwabe emfuleni wengxokolo kaGogi.

16Igama lomzi okhona liya kuba nguNgxokolo; balihlambùlule ke ilizwe.

Umbingelelo weNkosi

17Wena ke, nyana womntu, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yithi, kwiintaka zeentlobo ngeentlobo, nakumarhamncwa onke asendle, Buthanani nize; zihlanganiseni ngeenxa zonke embingelelweni wam endinibingeleleyo, umbingelelo omkhulu ezintabeni zakwaSirayeli; nidle inyama, nisele igazi.

18Niya kudla inyama yamagorha, nisele igazi lezikhulu zehlabathi, iinkunzi zeegusha, namatakane, neenkunzi zeebhokhwe, neenkunzi zeenkomo ezintsha ezityetyisiweyo zaseBhashan, zonke ziphela.

19Nodla amanqatha nihluthe, nisele igazi ninxile embingelelweni wam endinibingeleleyo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

20nihluthe esithebeni sam ngamahashe nangabamahashe, ngamagorha namadoda onke okulwa; itsho iNkosi uYehova.

21Ndiya kubumisa ubuqaqawuli bam ezintlangeni, ziwubone iintlanga zonke umgwebo wam endiya kuwenza, nesandla sam endiya kusisa kuzo.

22Iya kwazi indlu kaSirayeli ukuba ndinguYehova uThixo wabo, ithabathela kuyo le mini ise naphi.

23Neentlanga ziya kwazi ukuba indlu kaSirayeli yathinjwa ngenxa yobugwenxa babo; ngenxa enokuba bamenezáyo kum, ndabusithelisa ubuso bam kubo, ndabanikela esandleni sababandezeli babo, bawa likrele bonke bephela.

24Ndabenza ngokobunqambi babo nangokwezikreqo zabo, ndabusithelisa ubuso bam kubo.

Ukubuyiswa kukaSirayeli

25Ngako oko, itsho iNkosi uYehova ukuthi, Kaloku ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kukaYakobi, ndisikwe yimfesane ngenxa yendlu yonke kaSirayeli, ndibe nobukhwele ngegama lam elingcwele.

26Baya kulithwala ihlazo labo, nobumenemene babo bonke ababemeneza ngabo kum, ekuhlaleni kwabo emhlabeni wabo bekholosile, kungekho ubothusayo.

27Ekubabuyiseni kwam ezizweni, ekubabutheni kwam emazweni eentshaba zabo, ndozingcwalisa kubo emehlweni eentlanga ezininzi.

28Baya kwazi ukuba ndinguYehova uThixo wabo, owenza ukuba bathinjelwe ezintlangeni, ndize ndibawomelisele emhlabeni wabo, ndingabuyi ndishiye namnye kubo khona.

29Andiyi kuba sabusithelisa ubuso bam kubo, ngokokuba ndithulule uMoya wam phezu kwendlu kaSirayeli; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 40

Indoda enentonga yokulinganisa

1Ngomnyaka wamashumi omabini anamihlanu wokuthinjwa kwethu, ekuqalekeni komnyaka, ngolweshumi enyangeni leyo, ngomnyaka weshumi elinesiné emva kokuxatyelwa komzi, ngayo kanye loo mini, isandla sikaYehova saba phezu kwam, wandisa khona.

2Ngemibono kaThixo wandisa ezweni lakwaSirayeli elo, wandibeka entabeni ephakamileyo kakhulu; phezu kwayo kwanga sisakhiwo somzi ngasezantsi.

3Wandisa khona: nanko umntu, okubonakala kunjengokubonakala kobhedu, ephethe intsontelo yeflakisi ngesandla, nengcongolo yokulinganisa; waye ke emi esangweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wathetha nam loo mntu, wathi, Nyana womntu, khangela ngamehlo akho, uve ngeendlebe zakho, ugqale ngentliziyo yakho zonke izinto endikubonisa zona; ngokuba uziswé apha ukuze uboniswe. Xelela indlu kaSirayeli konke okubonayo.

5Nanko ke, kukho udonga ngaphandle kwendlu, olujikelezileyo ngeenxa zonke, isesandleni somntu lowo ingcongolo yokulinganisa, iziikubhite ezintandathu, iyileyo iyikubhite enobubanzi besandla. Wabulinganisa ububanzi besakhiwo; baba yingcongolo enye, ukuphakama kwayingcongolo enye.

6Waya esangweni elibheke empumalanga, wenyuka ngezinyuko zalo, walinganisa omnye umbundu wesango; waba yingcongolo enye ububanzi, omnye umbundu ke wokuqala wayingcongolo enye ububanzi.

7Negumbi lokulinda laba yingcongolo enye ubude, layingcongolo enye ububanzi; phakathi kwamagumbi okulinda zaziikubhite ezintlanu; umbundu wesango, ongasevarandeni yesango enganeno kwayo indlu, wayingcongolo enye.

8Walinganisa ivaranda yesango leyo inganeno kwayo indlu, yayingcongolo enye.

9Walinganisa ivaranda yesango ke, yaziikubhite ezisibhozo, iintsika zayo zaziikubhite ezimbini; ke ivaranda yesango yayinganeno kwayo indlu.

10Ke amagumbi okulinda, esango elisingise empumalanga, aba mathathu ngapha, aba mathathu nangapha, aba mlinganiso mnye omathathu, zaba mlinganiso mnye iintsika ngapha nangapha.

11Walinganisa ububanzi bokungena kwesango, baziikubhite ezilishumi; ubude besango ngalinye baziikubhite ezilishumi elinazithathu.

12Ke umda phambi kwamagumbi okulinda wawuyikubhite enye ngapha, wayikubhite enye nangapha umda; amagumbi okulinda aba ziikubhite ezintandathu ngapha, aba ziikubhite ezintandathu nangapha.

13Walinganisa isango, ethabathela eluphahleni lwamagumbi okulinda, esa eluphahleni lwamanye; laba ziikubhite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi; umnyango ulungé nomnyango.

14Iintsika wazenza zangamashumi omathandathu eekubhite; yeza kuma ngentsika intendelezo ejikelezileyo ngeenxa zonke esangweni.

15Ke ukuthabathela phambi kwesango lokungena, kuse phambi kwevaranda yesango eliphakathi, zaba ziikubhite ezimashumi mahlanu.

16Bekukho iifestile ezivaliweyo emagumbini okulinda nasezintsikeni zawo ngecala eliphakathi esangweni, zijikelezile ngeenxa zonke; bekukwanjalo nasezingqamekweni. Bekukho iifestile ngaphakathi, zijikelezile ngeenxa zonke; bekukho namasundu ezintsikeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Wandisa entendelezweni ephandle; nanko, kwenziwe amagumbi nombekelelo wamatye, kwajikeleza ngeenxa zonke entendelezweni; yayingamagumbi angamashumi mathathu embekelelweni wamatye.

18Umbekelelo wamatye ubusemacaleni amasango, ulungelelene nobude bamasango; umbekelelo lowo uphantsi.

19Walinganisa ububanzi, ethabathela phambi kwesango lentendelezo ephantsi, esa phambi kwelentendelezo ephakathi nganeno kwalo; zalikhulu leekubhite ngasempumalanga nangasentla.

20Isango elibheké entla ngasentendelezweni ephandle, wabulinganisa ubude balo nobubanzi balo;

21namagumbi okulinda amathathu ngapha, amathathu nangapha, neentsika zalo, neengqameko zalo. Laba ngangomlinganiso wesango lokuqala; baziikubhite ezimashumi mahlanu ubude balo, nobubanzi balo baziikubhite ezimashumi mabini anantlanu.

22Iifestile zalo, neengqameko zalo, namasundu alo, zaba ngangomlinganiso wesango elibheke empumalanga; benyuka ngezinyuko ezisixhenxe ukuya kulo; neengqameko zalo zaba phambi kwazo.

23Amasango entendelezo ephakathi alunga nesango langasentla nelangasempumalanga; walinganisa, wathabathela esangweni, wesa esangweni; zalikhulu leekubhite.

24Wandihambisa wandisingisa ezantsi; nali isango, lisingise ezantsi; walinganisa iintsika zalo neengqameko zalo kwangokwaloo milinganiso.

25Bekukho iifestile kulo nakwiingqameko zalo, zijikelezile ngeenxa zonke, njengeziyá iifestile; zaba ziikubhite ezimashumi mahlanu ubude, baziikubhite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

26Ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisixhenxe, nezingqameko zalo zaziphambi kwazo; belinamasundu, elinye lingapha, elinye lingapha, ezintsikeni zalo.

27Bekukho isango elisa entendelezweni ephakathi, elisingise ezantsi; walinganisa ethabathela esangweni elo, esa esangweni elisingise ezantsi; zaba ziikubhite ezilikhulu.

28Wandisa entendelezweni ephakathi ngesango lasezantsi, walilinganisa isango lasezantsi kwangokwaloo milinganiso;

29namagumbi alo okulinda, neentsika zalo, neengqameko zalo, kwangokwaloo milinganiso. Bekukho iifestile kulo nakwiingqameko zalo, zijikelezile ngeenxa zonke; zaba ziikubhite ezimashumi mahlanu ubude, zaba ziikubhite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Iingqameko zajikeleza ngeenxa zonke: zaba ziikubhite ezimashumi mabini anantlanu ubude, zaba ziikubhite ezintlanu ububanzi.

31Iingqameko zalo zabheka entendelezweni ephandle; zibe zinamasundu iintsika zalo. Ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisibhozo.

32Wandísa entendelezweni ephakathi, esingise empumalanga, walilinganisa isango kwangokwaloo milinganiso;

33namagumbi alo okulinda, neentsika zalo, neengqameko zalo, kwangokwaloo milinganiso. Bekukho iifestile kulo, nakwiingqameko zalo, zijikelezile ngeenxa zonke; aba ziikubhite ezimashumi mahlanu ubude, zaba ziikubhite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

34Iingqameko zalo zabheka entendelezweni ephandle; zibe zinamasundu iintsika ngapha nangapha. Ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisibhozo.

35Wandísa esangweni lasentla, walilinganisa kwangokwaloo milinganiso;

36namagumbi alo okulinda, neentsika zalo, neengqameko zalo. Bekukho iifestile kulo, zijikelezile ngeenxa zonke; zaba ziikubhite ezimashumi mahlanu ubude, zaba ziikubhite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

37Iintsika zalo zakhangela entendelezweni ephandle; zinamasundu iintsika zalo ngapha nangapha. Ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisibhozo.

38Igumbi nomnyango walo lalingasezintsikeni zamasango; bebewahlamba khona amadini anyukayo.

39Evarandeni yesango bekukho iitafile ezimbini ngapha, iitafile ezimbini nangapha, zokuxhelela amadini anyukayo, nawesono, nawetyala.

40Ecaleni elingaphandle, konyukayo esiya ekungeneni kwesango ngasentla, bekukho iitafile ezimbini; nakwelinye icala ngasevarandeni yesango bekukho iitafile ezimbini.

41Kwabakho iitafile eziné ngapha, iitafile eziné nangapha, ecaleni lesango; ziitafile ezisibhozo, zokuxhelela kuzo.

42Kananjalo bekukho neetafile eziné ngasezinyukweni zamatye aqingqiweyo, aba yikubhite enye enesiqingatha ubude, ikubhite enye enesiqingatha ububanzi, ikubhite enye ukuphakama, ukuze babeke kuzo iimpahla zokuxhela amadini anyukayo nemibingelelo.

43Amabhaxa angangobubanzi besandla, abe eqiniselwe endlwini, ajikeleza ngeenxa zonke; yaye isezitafileni inyama yomsondezo.

44Ngaphandle kwesango eliphakathi bekukho amagumbi amabini entendelezweni ephakathi; elinye lingasecaleni lesango lasentla, libheké ezantsi, elinye lingasecaleni lesango lasezantsi, libheké entla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

45Wathi kum, Eli gumbi, libheké ezantsi, lelababingeleli abagcina isigxina sendlu le.

46Igumbi elibheké entla lelababingeleli abagcina isigcina sesibingelelo. Bona bangoonyana bakaTsadoki, koonyana bakaLevi, abasondelàyo kuYehova ukuba balungiselele kuye.

47Wayilinganisa intendelezo; zaba ziikubhite ezilikhulu ubude, zaba ziikubhite ezilikhulu nobubanzi; imbombo-né; isibingelelo ke besiphambi kwayo indlu.

48Wandisa evarandeni yayo indlu, walinganisa intsika yevaranda: iikubhite zontlanu ngapha, iikubhite zontlanu ngapha; ububanzi besango baziikubhite ezintathu ngapha, iikubhite ezintathu nangapha.

49Ubude bevaranda baba ziikubhite ezimashumi mabini, ububanzi baba ziikubhite ezilishumi elinanye ngasezinyukweni, ebe kunyukwa ngazo kuyiwe kuyo. Bekukho iintsika ngasezintsikeni zomnyango, enye ngapha, enye nangapha.

UHezekile 41

Ukulinganiswa kwetempile nenkcazo yayo

1Wandísa etempileni, walinganisa iintsika; zaba ziikubhite ezintandathu ububanzi ngapha, zaba ziikubhite ezintandathu ububanzi nangapha; bububanzi ke bentente.

2Ububanzi bomnyango bebuziikubhite ezilishumi; amacala omnyango aba ziikubhite ezintlanu ngapha, iikubhite ezintlanu nangapha. Wabulinganisa ubude bayo, baziikubhite ezimashumi mané, ububanzi baziikubhite ezimashumi mabini.

3Wangena ke ngaphakathi, walinganisa intsika yomnyango; yaziikubhite ezimbini, nomnyango wazikubhite ezintandathu ukuphakama, ububanzi bomnyango baziikubhite ezisixhenxe.

4Wabulinganisa ubude bayo, baziikubhite ezimashumi mabini, ububanzi baziikubhite ezimashumi mabini, wabhekisa etempileni; wathi kum, Yingcwele kangcwele le.

5Walulinganisa udonga lwendlu, lwaziikubhite ezintandathu, ububanzi bendawo yokwayama bazikubhite eziné; yajikeleza ngeenxa zonke endlwini leyo.

6Amagumbi endawo yokwayama aba mathathu, igumbi phezu kwegumbi, aba mashumi mathathu; aya kufika eludongeni ebeyinalo indlu le, ngasemagumbini endawo yokwayama, eyajikeleza ngeenxa zonke, ukuze abe nokubambeka khona; kodwa angabambeki eludongeni lwayo indlu.

7Kwaya kúba banzi ukujikeleza, okukhona siya sinyuka isakhiwo ngokwamagumbi endawo yokwayama; ngokuba oko kwayijikeleza indlu le, kwaya kusanda okukhona inyukayo, kuyijikeleza indlu le ngeenxa zonke; ngenxa yoko indlu le yaya iba banzi okunyuka inyukayo; lwaba kwanjalo olungaphantsi udidi, ukunyuka ukuya kolungaphezulu ngokolo lungaphakathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ndabona kwasendlwini le indawo ephakamileyo, ejikelezileyo ngeenxa zonke;
iziseko zamagumbi endawo yokwayama zaziyingcongolo epheleyo, ziikubhite
ezintandathu, ukuya entlanganweni.

9Ububanzi bodonga, ebe inabo indawo yokwayama ngaphandle, bebuziikubhite
ezintlanu; yaba kwanjalo indawo eshiyekileyo endlwini enamagumbi endawo
yokwayama ekule ndlu.

10Phakathi kwamagumbi ibe ibububanzi beekubhite ezimashumi mabini
obujikelezileyo, bayijikeleza indlu ngeenxa zonke.

11Iminyango yendawo yokwayama yayikhangele endaweni eshiyekileyo; omnye
umnyango ukhangele ngentla, omnye umnyango ukhangele ngezantsi; ububanzi
bendawo eshiyekileyo bebuziikubhite ezintlanu, bajikeleza ngeenxa zonke.

12Isakhiwo esibe siphambi kwendawo eqhiwukileyo, sasiziikubhite ezimashumi
asixhenxe ububanzi baso ngecala elisingise entshonalanga; udonga lwesakhiwo eso
lwaluziikubhite ezintlanu ububanzi balo; lwajikeleza ngeenxa zonke, nobude baso
baba ziikubhite ezimashumi asithoba.

13Wayilinganisa ke indlu leyo, yaba ziikubhite ezilikhulu ubude; indawo eqhiwukileyo,
nesakhiwo sayo, neendonga zaso, zaba ziikubhite ezilikhulu ubude.

14Ububanzi bobuso bayo indlu, nobendawo eqhiwukileyo ekhangele empumalanga
baba ziikubhite ezilikhulu.

15Wabulinganisa ke ubude besakhiwo esibe siphambi kwendawo eqhiwukileyo, ebe
singasemva kwayo, neegalari zaso ngapha nangapha, iikubhite zaba likhulu; nendawo
engcwele yangaphakathi, neevaranda zentendelezo.

16Imibundu leyo yeminyango, neefestile ezo zivaliweyo, neegalari ezo
zijikelezileyo ezindidini zazo zontathu (malunga nemibundu yeminyango kukho
amaceba emithi, ejikelezíle ngeenxa zonke; nomhlaba ude wema ngeefestile, iifestile
ke zigutyungelwe),

17naphezu kweminyango, kwada kwasendlwini ngaphakathi nangaphandle,
naseludongeni lonke, kwajikeleza ngeenxa zonke, ngaphakathi nangaphandle, kwaba
yimilinganiso.

18Kwaye kwenziwe iikerubhi namasundu; yalisundu phakathi kwekerubhi nekerubhi;
ikerubhi yanobuso obubini;

19yabubuso bomntu obubheké esundwini ngapha, yabubuso bengonyama obubheké
esundwini ngapha. Kwaye kwenjiwe njalo endlwini yonke, kwajikeleza ngeenxa
zonke.

20Zenziwa zathabathela emhlabeni zesa phezu kweminyango, iikerubhi namasundu,
eludongeni ke lwetempile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Itempile, imigubasi yayo ibe imbombo-né; nobuso bengcwele, imbonakalo yabo yabonakala ikwanjalo.

22Isibingelelo sasingumthi, ukubhitentathu ukuphakama, buziikubhite-mbini ubude baso; besineembombo zaso nommiso waso, namacala aso engumthi. Wathi kum, Le yitafile ephambi koYehova.

23Bezimbini iingcango zetempile nezengcwele.

24Bezingambini iingcango kwiminyango leyo, ziziingcango ezijingayo zombini, zimbini komnye umnyango, zimbini iingcango nakomnye.

25Kwaye kwenziwe kuzo, kwiingcango ezo zetempile, iikerubhi namasundu, kunjengoko bekwenziwe ngako ezindongeni. Kwaye kukho isinyuko somthi phambi kwevaranda ngaphandle.

26Iifestile ezivaliweyo namasundu zazingapha nangapha, emacaleni evaranda, nasemagumbini endawo yokwayama kuyo indlu, nezinyuko.

UHezekile 42

Amagumbi entendelezo yetempile

1Waphuma nam, waya entendelezweni engaphandle ngendlela esinga ngentla, wandísa emagumbini amalunga nendawo le iqhiwukileyo, amalunga nesakhiwo eso, akhangele entla.

2Phambi kwecala elibude buziikubhite ezilikhulu, elimnyango ungasentla, ububanzi baba ziikubhite ezimashumi mahlanu.

3Malunga neekubhite ezimashumi mabini zentendelezo engaphakathi, malunga nombekelelo wamatye osentendelezweni engaphandle, yaba yigalari isinge egalarini eludidini lwesithathu.

4Phambi kwamagumbi kwakukho indawo yokuhamba, ububanzi bayo buziikubhite ezilishumi; kukho indlela eziikubhite zilikhulu, ebheka phakathi; iminyango yazo ke ibheka ngentla.

5Ke amagumbi aphezulu ebemafuphi kunawaphantsi, kunaphakathi esakhiweni; ngokuba iigalari zawadlela.

6Ngokuba ebendidi ntathu wona, engenazintsika, njengokuba iintendelezo zineentsika; ngenxa yoko kwarhoxiswa kwalá angaphantsi kwanalá aphakathi esikhundleni sawo.

7Ke udonga olwalungaphandle, lulungelelene namagumbi, lwasinga entendelezweni engaphandle phambi kwamagumbi la; ubude balo babuziikubhite ezimashumi mahlanu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ngokuba ubude bamagumbi entendelezo engaphandle baba ziikubhite ezimashumi mahlanu; kodwa ke phambi kwetempile baba ziikubhite ezilikhulu.

9Ngaphantsi kwala magumbi, ukungena bekuvelwa ngasempumalanga ekuyiweni kuwo, kuvelwa entendelezweni engaphandle.

10Ebubanzini bodonga lwentendelezo, kusingise empumalanga, phambi kwendawo eqhiwukileyo naphambi kwesakhiwo, bekukho amagumbi.

11Ayenendlela phambi kwawo, ebonakala enjengamagumbi asingise entla; ngobude bawo, aba njalo nangobubanzi bawo, aba njalo nangokuphuma kwawo konke, aba njalo nangamasiko awo.

12Njengoko injalo iminyango yawo lawo, injalo neminyango yamagumbi abe ekhangele ngezantsi; kwakukho umnyango emantloko endlela, endlela emalunga nodonga olulungelelene namagumbi la, endlela evela ngasempumalanga ekuyiweni kuwo.

13Wathi kum, Amagumbi angasentla namagumbi angasezantsi, aphambi kwendawo eqhiwukileyo, wona ngamagumbi angcwele, apho ababingeleli abasondelàyo kuYehova baya kudlela khona ezona nto zingcwele; apho baya kuzibeka khona ezona nto zingcwele, umnikelo wokudla, nedini lesono, neletyala; ngokuba le ndawo ingcwele.

14Bakùngena ababingeleli, mabangaphumi engcweleni, baye entendelezweni engaphandle; bozibeka apho iingubo zabo, abalungiselela benazo, ngokuba zingcwele; mabambathe ngubo zimbi, basondele ke kokwabantu.

15Wathi ke akugqiba ukuyilinganisa indlu ephakathi, waphuma nam, wasingisa ngendlela yesango elibheké empumalanga, walinganisa khona, wajikeleza ngeenxa zonke.

16Walinganisa icala lasempumalanga ngengcongolo yokulinganisa; yaziingcongolo ezimakhulu mahlanu ngengcongolo yokulinganisa, ngeenxa zonke.

17Walinganisa icala langasentla; yaziingcongolo ezimakhulu mahlanu ngengcongolo yokulinganisa, ngeenxa zonke.

18Kwicala langasezantsi walinganisa amakhulu amahlanu eengcongolo, ngencongolo yokulinganisa.

19Wajikela ecaleni langasentshonalanga, walinganisa amakhulu amahlanu eengcongolo, ngengcongolo yokulinganisa.

20Ngamacala omané wayilinganisa. Inodonga olujikelezileyo ngeenxa zonke; ubude bangamakhulu amahlanu, nobubanzi bangamakhulu amahlanu, ukuze kwahlulwe phakathi kokungcwele nokuhlambeleyo.

UHezekile 43

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ubuqaqawuli bukaYehova buzalisa indlu

1Wandisa esangweni, esangweni elibheke endleleni yangasempumalanga.

2Nabo ke ubuqaqawuli boThixo kaSirayeli, buvela ngendlela yangasempumalanga, isandi sabo sinjengesandi samanzi amaninzi; ihlabathi lakhanya bubuqaqawuli bakhe.

3Imbonakalo ke endayibonayo, ukubonakala kwayo, yayinjengembonakalo leya, ndayibonayo ukuya kuwonakalisa kwam umzi; kwakukho neembonakalo ezinjengeembonakalo endazibonayo emlanjeni oyiKebhare; ndawa ke ngobuso.

4Ubuqaqawuli bukaYehova beza endlwini ngendlela yesango elibheke empumalanga.

5UMoya wandifukula, wandísa entendelezweni ephakathi; nabo ke ubuqaqawuli bukaYehova, buyizalisile indlu le.

6Ndeva othetha kum esendlwini le; kwabakho ke umntu omi ecaleni kwam.

7Wathi kum, Nyana womntu, khangela indawo yetrone yam, indawo yomphantsi weenyawo zam, apho ndiya kuhlala khona phakathi koonyana bakaSirayeli ngonaphakade; ingabi salenza inqambi igama lam elingcwele indlu kaSirayeli, bona nookumkani babo, ngobuhenyu babo, nangezidumbu zookumkani babo ezigángeni zabo;

8ekumiseni kwabo umbundu womnyango wabo ngasembundwini womnyango wam, nemigubasi yabo ecaleni lemigubasi yam, iludonga lodwa phakathi kwam nabo; belenzé inqambi ke igama lam elingcwele, ngamasikizi abo abawenzáyo. Ndabagqibela ke ngomsindo wam.

9Ngoku ke mabakhwelelise kum ubuhenyu babo, nezidumbu zookumkani babo, ndihlale phakathi kwabo ngonaphakade.

Umyalelo wendlu

10Wena ke, nyana womntu, indlu kaSirayeli yixelele le ndlu, beve ihlazo ngenxa yobugwenxa babo, basilinganise isakhiwo esilinganiselweyo ngokuhle.

11Ukuba bathe baliva ihlazo ngenxa yezinto zonke abazenzileyo, bázìse ukumeka kwendlu le nokuqulunqwa kwayo, iziphumo zayo nezingeno zayo, iimeko zayo zonke nemimiselo yayo yonke, iimeko zayo zonke nemiyalelo yayo yonke, uyibhale emehlweni abo; bakugcine konke ukuma kwayo, nemimiselo yayo yonke, bayenze.

12Nguwo lo umyalelo wayo indlu: encotsheni yentaba, wonke umda wayo, ojikelezileyo ngeenxa zonke, uyingcwele kangcwele. Yabona, nguwo lo umyalelo wayo indlu.

Isibingelelo: imilinganiso nokungcwaliswa kwaso

13Yiyo le imilinganiso yesibingelelo ngokweekubhite (ikubhite yikubhite nobubanzi besandla): umzantsi waso woba yikubhite, ube yikubhite ububanzi; ulungqu lwawo

© 1975 Bible Society of South Africa.

eludinini lwawo ngeenxa zonke lwalúngangomoluko omnye weminwe. Lulo olo ufundo lwesibingelelo esi.

14Kuthabathela emzantsini osemhlabeni, kude kuse emacaleni aphantsi, koba ziikubhite ezimbini ukuphakama, nobubanzi bube yikubhite enye; kuthabathela emacaleni lawo amafutshane, kude kuse emacaleni amade, koba ziikubhite eziné ukuphakama, nobubanzi bube yikubhite enye.

15Intaba kaThixo yoba ziikubhite eziné; zothabathela ezikweni likaThixo, zinyuse iimpondo eziné.

16Iziko likaThixo loba ziikubhite ezilishumi elinambini ubude balo, ishumi elinambini ububanzi balo; loba mbombo né ngokwamacala alo omané.

17Amacala oba ziikubhite ezilishumi elinané ubude bawo, neshumi elinané ububanzi, ngokwamacala awo omané; nolungqu ngeenxa zonke kuwo lube sisiqingatha sekubhite; umzantsi wawo ube yikubhite enye ngeenxa zonke; nezinyuko zawo mazikhangele empumalanga.

18Wathi kum, Nyana womntu, itsho iNkosi uYehova, ukuthi, Yiyo le imimiselo yesibingelelo ngemini yokwenziwa kwaso, ukuba kunyuswe phezu kwaso amadini anyukayo, kutshizwe ngegazi kuso.

19Ùya kubanika ababingeleli, abaLevi abangabembewu kaTsadoki, abasondelayo kum, itsho iNkosi uYehova, ukuba balungiselele kum inkunzi entsha, ithole lenkomo, libe lidini lesono.

20Wòthabatha egazini layo, uliqabe ezimpondweni zaso zoné, nasezimbombeni zoné zamacala, naseludinini ngeenxa zonke; usenze nyulu, usicamagushele;

21uyithabathe inkunzi entsha yedini lesono, bayitshise endaweni emisiweyo yayo indlu, ngaphandle kwengcwele.

22Ngomhla wesibini wòsondeza inkunzi yebhokhwe exhonti egqibeleleyo, ibe lidini lesono; basenze nyulu isibingelelo, njengoko senziwa nyulu ngenkunzi entsha.

23Ekugqibeni kwakho ukusenza nyulu, wòsondeza inkunzi entsha, ithole lenkomo eligqibeleleyo, nenkunzi egqibeleleyo yasempahleni emfutshane.

24Wòzisondeza phambi koYehova, ababingeleli bagalele ityuwa phezu kwazo, bazinyuse zibe lidini elinyukayo kuYehova.

25Iintsuku ezisixhenxe ùya kunikela inkunzi yebhokhwe exhonti eyedini lesono ngemini; balungiselele nenkunzi entsha elithole lenkomo, nenkunzi yasemphaleni emfutshane egqibeleleyo.

26Iintsuku ezisixhenxe bosicamagushela isibingelelo, basihlambulule; basimisele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Baya kuzigqiba ezo ntsuku, kuthi ngomhla wesibhozo, nanini, ababingeleli benze amadini enu anyukayo nemibingelelo yenu yoxolo esibingelelweni, ndize ndinamkele; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 44

Indawo engcwele mayingahlanjelwa

1Wandibuyisa ngendlela yesango lengcwele elingaphandle, elibheké empumalanga; laye livaliwe.

2UYehova wathi kum, Eli sango liya kuhlala livaliwe; aliyi kuvulwa, akuyi kungena mntu ngalo; ngokuba uYehova uThixo kaSirayeli ungené ngalo; liya kuhlala livaliwe ke.

3Isikhulu, sisikhulu nje, siya kuhlala kulo, ukuba sidle ukudla phambi koYehova. Songena ngendlela yasevarandeni yesango, siphume kwangendlela yayo.

4Wandisa ngendlela yesango langasentla, ebeyiphambi kwayo indlu; ndakhangela, nabo ubuqaqawuli bukaYehova buyizalisile indlu kaYehova; ndawa ngobuso.

5Wathi kum uYehova, Nyana womntu, gqala ngentliziyo yakho, ubone ngamehlo akho, uve ngeendlebe zakho, konke endisukuba ndikuthetha kuwe, ngokusingisele kwimimiselo yonke yendlu kaYehova, nangokusingisele kwimiyalelo yayo yonke; ukúgqale ngentliziyo yakho ukungena endlwini le, ezindaweni zonke zengcwele ekuphunywa ngazo.

6Uze uthi kwabaneenkani, kwabendlu kaSirayeli, Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yanelani, ndlu kaSirayeli, ngamasikizi enu onke,

7okubangenisa kwenu oonyana bolunye uhlanga, abangalukileyo ngentliziyo, abangalukileyo ngenyama, ukuba babe sengcweleni yam, ukuba bayihlambele indlu yam le, nakùsondeza ukudla kwam, amanqatha negazi. Umnqophiso wam nawaphula ke phezu kwamasikizi enu onke;

8ànasigcina isigxina sengcwele yam; nabamisa abayá ukuba banigcinele isigxina sam engcweleni yam.

9Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Bonke oonyana bolunye uhlanga, abangalukileyo ngentliziyo, abangalukileyo ngenyama, abayi kungena engcweleni yam, bakubo bonke oonyana bolunye uhlanga, abaphakathi koonyana bakaSirayeli.

10Ke kwanabaLevi, abakhweleláyo kude kum, ekundwendweni kwamaSirayeli awandwendwáyo kum, alandela izigodo zawo, aya kubuthwala ubugwenxa bawo.

11Baya kwanela ukuba ngabalungiseleli engcweleni yam, bengabaveleli bamasango endlu le, belungiselela endlwini le. Abo baya kuxhelela abantu idini elinyukayo nombingelelo, bona beme phambi kwabo, ukuba babalungiselele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ngenxa enokuba babalungiseleláyo phambi kwezigodo zabo, baba sisikhubekiso sobugwenxa kwindlu kaSirayeli, ngenxa yoko ndibaphakamisele isandla sam, itsho iNkosi uYehova, ukuba babuthwale ubugwenxa babo.

13Abayi kufika kum, ukuba benzelelele kum, bangafiki kwiingcwele zam zonke, kwingcwele kangcwele yam; baya kuthwala ke ihlazo labo namasikizi abo abawenzileyo.

14Ndobenza babe ngabagcini besigxina sendlu le ngokwenkonzo yayo yonke, nangokwezinto zonke ezenzelwa kuyo.

Imimiselo yababingeleli

15Ke bona ababingeleli abaLevi, oonyana bakaTsadoki, abasigcináyo isigxina sengcwele yam, ekundwendweni koonyana bakaSirayeli kum, bosondela bona kum, ukuba bandilungiselele, beme phambi kwam, ukuba basondeze kum inqatha negazi; itsho iNkosi uYehova.

16Bongena bona engcweleni yam, basondele bona esithebeni sam, ukuba bandilungiselele, bagcine isigxina sam.

17Kothi, ekungeneni kwabo ngamasango entendelezo ephakathi, bambathe iingubo zelinen; kungabikho nto yoboya kubo ekulungiseleleni kwabo emasangweni entendelezo ephakathi, naxa bakuyo indlu.

18Zoba ziinkontsho zelinen ezintlokweni zabo, ibe ziibhulukhwe zelinen ezinqeni zabo; abayi kubhinqa, bazibilise.

19Bothi, ekuphumeni kwabo, besinga entendelezweni engaphandle, entendelezweni engaphandle besiya ebantwini, bazihlube iingubo zabo ababelungiselela benazo, bezibeke emagumbini angcwele, bambathe ngubo zimbi, bangàbangcwalisi abantu ngeengubo zabo.

20Mabangazichebi iintloko, bangaziyeki iinwele zabo zibe ngamayakayaka; bozinquthula iintloko.

21Mabangaseli wayini bonke ababingeleli ekungeneni kwabo entendelezweni ephakathi.

22Umhlolokazi nomfazi owaliweyo mabangabazeki babe ngabafazi babo; bozeka iintombi eziziintombi kwimbewu yendlu kaSirayeli, kwanomhlolokazi othe waba ngumhlolokazi wombingeleli.

23Bobayala abantu bam, ukuba bahlule okungcwele kokuhlambeleyo, babazíse okuyinqambi nokuhlambulukileyo.

24Ekubambaneni kwabantu mabeme bona, bagwebe ngokwamasiko am, bagcine imiyalelo yam nemimiselo yam ngamaxesha am onke amisiweyo, bazingcwalise iisabatha zam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Mabangayi emntwini ofileyo, bazenze iinqambi; kungába kungoyise, nonina, nonyana, nentombi yabo, nomzalwana, nodade wabo ongabanga nandoda, abangázenza iinqambi ngabo, bona bodwa.

26Bombalela imihla esixhenxe emva kokuhlanjululwa kwakhe.

27Ngomhla ke wokungena kwakhe engcweleni, entendelezweni ephakathi, ukuze alungiselele engcweleni, wosondeza idini lakhe lesono; itsho iNkosi uYehova.

Ilifa lababingeleli

28Oko koba lilifa labo, ibe ndim ilifa labo; ningabaniki nzuzo kwaSirayeli; ndim inzuzo yabo.

29Umnikelo wokudla, nedini lesono, nedini letyala, bodla ezo zinto bona; zonke izinto ezisingelwe phantsi kwaSirayeli ziya kuba zezabo.

30Iingqalo zeentlahlela zonke ezintweni zonke, nemirhumo yonke yeento zonke, kwimirhumo yenu yonke, yoba yeyababingeleli; nengqalo yomgrayo wenu noyinika umbingeleli, ukuze ahlise intsikelelo phezu kwendlu yakho.

31Ababingeleli abayi kudla nto izifeleyo neqwengiweyo, nokuba kusezintakeni, nokuba kusezinkomeni.

UHezekile 45

Umhlaba wababingeleli nabaLevi nesikhulu

1Ekulabeni kwenu ilizwe ngamaqashiso, ukuba libe lilifa, nomrhumela uYehova umrhumo oyinto engcwele kulo ilizwe elo: ubude bube ngamashumi omabini anamahlanu amawaka eengcongolo, ububanzi bube lishumi lamawaka. Wòba ngcwele emdeni wawo wonke ngeenxa zonke.

2Kuwo apha oba ngawasengcweleni amakhulu amahlanu ubude, ngamakhulu amahlanu obubanzi, ube mbombo-né ngeenxa zonke, ube ziikubhite ezimashumi mahlanu zephandle elingeenxa zonke kuwo.

3Kuyo loo ndawo ilinganisiweyo, wòlinganisa ubude obungamashumi omabini anamahlanu amawaka, nobubanzi obulishumi lamawaka; ibe khona ingcwele le, ingcwele kangcwele.

4Yona yoba yinto engcwele kulo ilizwe elo; ilungè nababingeleli, abalungiseleli bengcwele, abasondela ukuba balungiselele kuYehova; ibe yindawo yezindlu zabo, indawo engcwele ilunge nengcwele.

5Amashumi amabini anamahlanu amawaka obude, neli shumi lamawaka obubanzi, alunge nabaLevi, abalungiseleli bendlu; oba yinzuzo yabo eyimizi yokuba bahlale.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Okomzi koba ngamawaka amahlanu obubanzi, anamashumi amabini anamahlanu amawaka obude, elungelelene nomrhumo ongcwele; ibe ngawendlu yonke kaSirayeli.

7Isikhulu nosinika ngapha nangapha komrhumo ongcwele, nakokomzi phambi komrhumo ongcwele, naphambi kokomzi ngecala lasentshonalanga, nise entshonalanga, nangecala lasempumalanga, nise empumalanga; ubude bulungelelane nesinye isahlulo sezizwe, buthabathele emdeni wasentshonalanga, buse emdeni wasempumalanga.

8Loba lilizwe laso, libe yinzuzo kuso kwaSirayeli; izikhulu zam zingabuyi zibe sabaxinzelela phantsi abantu bam; ke ilizwe zilinike indlu kaSirayeli ngokwezizwe zayo.

Ukulawula ngobulungisa yimfanelo yesikhulu

9Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Yan elani, nina zikhulu zakwaSirayeli; yekani ukugonyamela nokubhuqa, nenzè okusesikweni nobulungisa; yekani ukubagxotha abantu bam emafeni abo; itsho iNkosi uYehova.

10Yibani nesikali sobulungisa, ne-efa yobulungisa, nebhate yobulungisa.

11Iefa nebhate yoba mlinganiso mnye, ibhate ikhongozele isahlulo seshumi sehomere, ne-efa isahlulo seshumi sehomere, sibe ngokwehomere isilinganiselo sayo.

12Ishekele yoba ngamashumi amabini eegera; amashumi amabini eeshekele, amashumi amabini anesihlanu eeshekele, ishumi elinesihlanu leeshekele, ibe yimina kum.

Iminikelo yabantu

13Nguwo lo umrhumo eniya kurhuma ngawo; isahlulo sesithandathu se-efa ehomereni yengqolowa, nirhume isahlulo sesithandathu se-efa ehomereni yerhasi; nomlinganiso omisiweyo weoli,

14webhate yeoli, nirhume isahlulo seshumi sebhate ekoreni, ezibhateni ezilishumi ehomereni ke; kuba iibhate ezilishumi ziyihomere.

15Norhuma ixhwane libe linye empahleni emfutshane engamakhulu amabini, yasemakriweni anamanzi akwaSirayeli, ibe yeyomnikelo wokudla, neyedini elinyukayo, neyemibingelelo yoxolo, ukuba bacanyagushelwe; itsho iNkosi uYehova.

16Bonke abantu belizwe eli bosirhumela lo mrhumo isikhulu sakwaSirayeli.

17Orholwa sisikhulu amadini anyukayo, nomnikelo wokudla, nothululwayo, emithendelekweni nasekuthwaseni kwenyanga, nasezisabatheni, nasemaxesheni amisiweyo endlu kaSirayeli. Lolungiselelwa siso idini lesono, nomnikelo wokudla, nedini elinyukayo, nemibingelelo yoxolo, ukuze icanyagushelwe indlu kaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Ngenyanga yokuqala, ngolokuqala enyangeni leyo, wòthabatha inkunzi entsha, ithole lenkomo eligqibeleleyo, uyihlambulule ingcwele ngedini lesono.

19Umbingeleli wothabatha egazini ledini lesono elo, aliqabe emigubasini yendlu le, nasezimbombeni zoné zamacala esibingelelo, nasemigubasini yesango lentendelezo ephakathi.

20Ùya kwenjenjalo nangolwesixhenxe enyangeni leyo, ngenxa yomntu olahlekayo, nangenxa yosisiyatha, niyicamagushele indlu le.

21Ngeyokuqala inyanga, ngosuku lweshumi elinesiné enyangeni leyo, noba nepasika, umthendeleko weentsuku ezisixhenxe; kodliwa izonka ezingenagwele.

22Ngaloo mini isikhulu, ngenxa yaso nangenxa yabantu bonke belizwe eli, sólungiselela inkunzi entsha yenkomo, ibe lidini lesono.

23Iintsuku ezisixhenxe zomthendeleko somenzela uYehova idini elinyukayo; iinkunzi ezintsha zeenkomo zibe zisixhenxe, neenkunzi zeegusha ezigqibeleleyo zibe zisixhenxe ngemini, ngeentsuku zosixhenxe; nenkunzi yebhokhwe exhonti ibe lidini lesono ngemini.

24Solungiselela umnikelo wokudla, iefa enkunzini entsha, iefa enkunzini yegusha, ihin yeoli kuyo iefa.

25Ngenyanga yesixhenxe, ngosuku lweshumi elinesihlanu enyangeni leyo, emthendelekweni, síya kwenjenjalo ngeentsuku ezisixhenxe ngokusingisele kwidini lesono, nakwidini elinyukayo, nakumnikelo wokudla, nakwioli.

UHezekile 46

Imibingelelo yangomhla wesabatha neyokuthwasa kwenyanga

1Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Isango lentendelezo ephakathi, elikhangele empumalanga, lohlala livaliwe ngeentsuku ezintandathu zokusebenza; ngomhla wesabatha livulwe, ngomhla wokuthwasa kwenyanga livulwe.

2Sóngena isikhulu ngendlela yasevarandeni yesango, sivela ngaphandle, sime emigubasini yesango, ababingeleli balungiselele idini laso elinyukayo, nemibingelelo yaso yoxolo, siqubude embundwini wesango; siphume ke; lingàvalwa isango elo kude kuhlwe.

3Abantu belizwe eli boqubuda ekungeneni kwesango ngesabatha nasekuthwaseni kwenyanga, phambi koYehova.

4Idini elinyukayo, esosondeza lona isikhulu kuYehova ngomhla wesabatha, loba ziimvana ezintandathu ezigqibeleleyo, nenkunzi yegusha egqibeleleyo.

5Nomnikelo wokudla woba yiefa enkunzini leyo yegusha; ezimvaneni ezo umnikelo wokudla ube ngumnikelo wesandla saso, ihin yeoli kuyo iefa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ngosuku lokuthwasa kwenyanga, liya kuba yinkunzi entsha egqibeleleyo, ithole lenkomo, neemvana ezintandathu, nenkunzi yegusha, zigqibelele zonke.

7Solungiselela umnikelo wokudla, iefa kuyo inkunzi entsha yenkomo, ne-efa kuyo inkunzi yegusha, kuzo iimvana ibe yinto esinokufikelela kuyo isandla saso, ibe yihin yeoli kuyo iefa.

8Ekuzeni kwesikhulu, songena ngendlela yasevarandeni yesango, siphume kwangendlela yayo.

Imimiselo yemibingelelo

9Ekuzeni ke kwabantu belizwe eli phambi koYehova ngamaxesha amisiweyo, ongené ngendlela yesango langasentla, esiza kunqula, wophuma ngendlela yesango langasezantsi; ongené ngendlela yesango langasezantsi, wophuma ngendlela yesango langasentla; akayi kubuya ngendlela yesango angene ngalo; bothi gca ukuphuma.

10Isikhulu songena siphakathi kwabo ekungeneni kwabo; bathi ekuphumeni kwabo, siphume kunye nabo.

11Umnikelo wokudla ngemithendeleko nangamaxesha amisiweyo woba yiefa kuyo inkunzi entsha yenkomo, ne-efa kuyo inkunzi yegusha, uthi ezimvaneni uligane nesandla saso, ibe yihin yeoli kuyo iefa.

12Xa sithe isikhulu samenzela uYehova idini elinyukayo ngokuqhutywa yintliziyo, nokuba yimibingelelo yoxolo ngokuqhutywa yintliziyo, malivulwe isango elibheké empumalanga, silungiselele idini laso elinyukayo, nemibingelelo yaso yoxolo, njengoko silungiselelayo ngomhla wesabatha; siphume ke; balivale isango emva kokuphuma kwaso.

13Boyilungiselela imvana emnyaka mnye, egqibeleleyo, ibe lidini elinyukayo ngemini kuYehova, balilungiselele imisó ngemisó yonke.

14Bolungiselela umnikelo wokudla kunye nalo imisó ngemisó yonke, ube sisahlulo sesithandathu se-efa, neoli ibe sisahlulo sesithathu sehin yokunyakamisa umgubo ocoliweyo; ube ngumnikelo wokudla kuYehova; leyo yoba yimimiselo engunaphakade emiyo.

15Bolungiselela imvana, nomnikelo wokudla, neoli, imiso ngemiso yonke, ibe lidini elinyukayo elimiyo.

Isikhulu nezipho

16Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Xa sithe isikhulu sampha omnye koonyana baso isipho, soba lilifa lakhe, sibe sesoonyana bakhe; yinzuzo yabó ngokwelifa.

17Xa sithe sampha omnye kubakhonzi baso isipho elifeni laso, soba sesalowo, kude kuse kumnyaka wenkululeko, sibuyele kwisikhulu; ilifa laso loba leloonyana baso bodwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Isikhulu eso asiyi kuthabatha elifeni labantu, ukuze sibaxinzelele phantsi, bahlukane nenzuzo yabo. Sobadlisa oonyana baso ilifa kweyeyaso inzuzo; ukuze bangabi lusali abantu bam, elowo ahlukane nenzuzo yakhe.

Izindlu zokupheka

19Ekungeneni ngasecaleni lesango, wandisa emagumbini angcwele ababingeleli, akhangele ngentla; nanko, kukho indawo khona esiphelweni, ngasentshonalanga.

20Wathi kum, Le yindawo apho ababingeleli bophekela khona idini letyala, nedini lesono. Bosela khona umnikelo wokudla, ukuze bangaphumi nawo, baye entendelezweni engaphandle, ukuba bangcwalise abantu.

21Waphuma waya nam entendelezweni engaphandle, wandidlulisa emagumbini omané entendelezo; nanko, kukho intendelezo emagumbini onke entendelezo, iyintendelezo egumbini lentendelezo.

22Emagumbini omané ayo intendelezo ibe izintendelezo ezivaliweyo: ubude buziikubhite ezimashumi mané, ububanzi buziikubhite ezimashumi mathathu, umlinganiso úmnye kuloo magumbi omané.

23Bekukho ucamba lwezakhiwo olujikelezileyo kuzo, lujikelezile kuzo zoné; kukho amaziko okupheka, enziwe ngaphantsi kweengcamba ngeenxa zonke.

24Wathi kum, Ezi zizindlu zokupheka, apho abalungiseleli bayo indlu baphekela khona umbingelelo wabantu.

UHezekile 47

Umlambo wobomi ophuma etempileni

1Wandibuyisela emnyango wayo indlu; nanko, kuphuma amanzi ngaphantsi kombundu womnyango wendlu leyo, esinga ngasempumalanga; ngokuba ubuso bayo indlu bebungasempumalanga. Amana esihla amanzi, evela ngaphantsi, ecaleni lokunene kwindlu leyo, ngasezantsi kwesibingelelo.

2Waphuma nam ngendlela yesango langasentla, wandijikelezisa ngendlela engaphandle, wandísa esangweni elingaphandle, ngendlela yelibheké empumalanga; nango, amanzi equkuqela, evela ecaleni lokunene lesango.

3Ekuphumeni komntu obephethe ulutya lokulinganisa ngesandla, esiya ngasempumalanga, walinganisa iwaka leekubhite; wandiweza emanzini, amanzi abetha emaqatheni.

4Walinganisa iwaka, wandiweza emanzini, amanzi abetha emadolweni. Walinganisa iwaka, wandiweza emanzini, amanzi abetha esinqeni.

5Walinganisa iwaka, aba ngumlambo endingenakuwuwela; ngokuba amanzi ahamba phezulu, amanzi aba ngawokudadwa, umlambo ongenakuwelwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wathi kum, Ubonile na, nyana womntu? Wandihambisa, wandibuyisa phezu kodini lomlambo lowo.

7Ekubuyeni kwam, nanko kukho eludinini lomlambo imithi emininzi kunene, ngapha nangapha.

8Wathi kum, La manzi aphuma aye kummandla wasempumalanga, ehle aye eArabha, aye elwandle, athi éle elwandle, aphiliswe amanzi alo.

9Kuye kuthi ke, yonke imiphefumlo ephilileyo, enyakazelayo ezindaweni zonke othe wafika kuzo umlambokazi lowo, iphile; zibe zininzi kunene iintlanzi; ngokuba efikile khona la manzi, ophiliswa lawa; iphile yonke into ofike kuyo umlambo lowo.

10Kothi ke kumè ababambisi beentlanzi phezu kwawo, bathabathele e-En-gedi, bade baye e-En-heglayim, indawo yokwaneka iminatha; ziya kuba ngokohlobo lwazo iintlanzi zabo, njengeentlanzi zolwandle olukhulu, ukuba zìninzi kunene.

11Ke imigxobhozo yalo, namadike alo, akayi kuphila; aya kunikelwa ekubeni mtyuba.

12Kophuma phezu komlambo, phezu kodini lwawo, ngapha nangapha, imithi yonke edliwayo. Amagqabi ayo akayi kubuna, zingapheli iziqhamo zayo; iya kuvuthwa iziqhamo ezitsha ngeenyanga zonke; ngokuba amanzi awo wona aphuma engcweleni. Iziqhamo zayo ziya kuba zezokudliwa, namagqabi ayo abe ngawokuphilisa.

Umda welizwe

13Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Nguwo lo umda, eniya kuzabela ngawo ilizwe, ngokwezizwe ezilishumi elinazibini zikaSirayeli; uYosefu woba namacandelo amabini.

14Ilizwe niya kulidla ilifa, elowo alidle njengowabo; ngokuba ndaphakamisa isandla sam sokuba ndilinike oyihlo; lowela kuni eli lizwe ngokwelifa.

15Nguwo lo umda welizwe elo: ngecala langasentla wóthabathela kulwandle olukhulu ngendlela yaseHetelon, ukuba uye eTsedada;

16eHamati, naseBherota, naseSibrayim, ephakathi komda waseDamasko nomda waseHamati, naseHatsere ephakathi, esemdeni waseHawuran.

17Umda uthabathela elwandle, ume ngeHatsare-enon, umda waseDamasko; owasentla ngasentla umda waseHamati.

18Licala lasentla ke elo. Icala langasempumalanga, phakathi kweHawuran neDamasko neGiliyadi nelizwe lakwaSirayeli, yiYordan; nothabathela emdeni lowa, nise phezu kolwandle lwangasempumalanga ukulinganisa. Licala lasempumalanga ke elo.

19Icala lasezantsi ngasezantsi lothabathela kwaTamare, lise emanzini embambano aseKadeshe, lihambe ngomlambo, lise kulo ulwandle olukhulu. Licala lasezantsi ngasezantsi ke elo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Icala lasentshonalanga lulwandle olukhulu, luthabathela emdeni lowo, lude lulunge nokuya eHamati. Licala lasentshonalanga ke elo.

21Nòzabela ke eli lizwe ngokwezizwe zakwaSirayeli.

22Kothi ke nilabe ngamaqashiso, libe lilifa kuni, nakubasemzini, abaphambukela kuni, abazele oonyana phakathi kwenu. Kuni boba njengabazalelwe kuloo ndawo abaphakathi koonyana bakaSirayeli; bolamkela ngamaqashiso ilifa phakathi kwezizwe zakwaSirayeli kunye nani.

23Kuya kuthi, esizweni aphambukele kuso owasemzini, nimnike ilifa lakhe apho; itsho iNkosi uYehova.

UHezekile 48

Amacandelo ezizwe, awababingeleli, awabaLevi, awomzi, nawesikhulu

1Ngawo la amagama ezizwe ezo, ethabathela ekupheleni ngentla, ehamba ecaleni kwendlela yaseHetelon, ukuya eHamati, naseHatsare-enon, umda waseDamasko, ngasentla ecaleni laseHamati, libe lelakhe icala lasempumalanga nelasentshonalanga: uDan woba necandelo elinye.

2Ngasemdeni ke kaDan, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uAshere, libe linye.

3Ngasemdeni ke ka-Ashere, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uNafetali, libe linye.

4Ngasemdeni kaNafetali, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uManase, libe linye.

5Ngasemdeni kaManase, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uEfrayim, libe linye.

6Ngasemdeni kaEfrayim, kuthabathele ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uRubhen, libe linye.

7Ngasemdeni kaRubhen, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uYuda, libe linye.

8Ngasemdeni kaYuda, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga, yoba ngumrhumo eniya kuwurhuma; ube ngamawaka angamashumi amabini anamahlanu eengcongolo ububanzi, ubude ke bube njengobesinye isahlulo, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kude kuye ecaleni lasentshonalanga; ingcwele isesazulwini sawo.

9Umrhumo eniya kuwurhumela uYehova woba ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude, ube ngamawaka alishumi ububanzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Woba ngowaba umrhumo ongcwele: ngowababingeleli; ngasentla ube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude, ngasentshonalanga ube lishumi lamawaka ububanzi, ngasempumalanga ube lishumi lamawaka ububanzi, ngasezantsi ube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude; ingcwele kaYehova yoba sesazulwini sawo.

11Ababingeleli abangcwalisiweyo koonyana bakaTsadoki, abasigcinayo isigxina sam, abangandwendwanga ekundwendweni koonyana bakaSirayeli, njengoko bandwendwáyo abaLevi,

12woba ngowabo umrhumo emrhumeni welizwe; uyingcwele kangcwele ngasemdeni wabakaLevi.

13Ke abaLevi bozuza isahlulo esinxulumene nomda wababingeleli, sibe ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude, sibe lishumi lamawaka ububanzi; bonke ubude bube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka, nobubanzi bube lishumi lamawaka.

14Ke abayi kuthengisa ngento yaso, bangananisi ngayo, bangayidluliseli kwabanye intlahlela yelo zwe; ngokuba ingcwele kuYehova.

15Ke amawaka amahlanu aseleyo ebubanzini, kumawaka angamashumi amabini anamahlanu, àkangcwele; ngawomzi, ngawendawo yokuma neyephandle.

16Umzi woba sesazulwini sawo. Yiyo le imilinganiso: icala langasentla loba ngamawaka amané anamakhulu amahlanu, icala langasezantsi libe ngamawaka amané anamakhulu amahlanu, icala lasempumalanga libe ngamawaka amané anamakhulu amahlanu, icala lasentshonalanga libe ngamawaka amané anamakhulu amahlanu.

17Iphandle lomzi ngasentla loba ngamakhulu amabini anamashumi amahlanu, ngasezantsi libe ngamakhulu amabini anamashumi amahlanu, ngasempumalanga libe ngamakhulu amabini anamashumi amahlanu, ngasentshonalanga libe ngamakhulu amabini anamashumi amahlanu.

18Okuseleyo ebudeni obunxulumene nomrhumo ongcwele, koba ngamawaka alishumi ngasempumalanga, kube ngamawaka alishumi ngasentshonalanga; onxulumana nomrhumo ongcwele; ungeniselo lwawo lube kukudla kwabasebenzi bawo umzi.

19Abasebenzi abo ke bomzi bowalima, bengabasezizweni zonke zakwaSirayeli.

20Umrhumo wonke woba ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude, ube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ububanzi; isahlulo sesiné somrhumo ongcwele nòsirhumela ukuba sibe sesomzi lowo.

21Indawo eseleyo yoba yeyesikhulu, ngapha nangapha komrhumo ongcwele, nakwinzuzo yomzi; ngaphambi kwamawaka angamashumi amabini anamahlanu

© 1975 Bible Society of South Africa.

omrhumo, ide iye emdeni wasempumalanga, nangasentshonalanga phambi kwamawaka angamashumi amabini anamahlanu, ngasemdeni wentshonalanga, inxulumene nezinye izahlulo, yoba yeyesikhulu; umrhumo ongcwele nengcwele yayo indlu yoba sesazulwini sayo.

22Kuthabathela ke enzuzweni yabaLevi, kuthabathela enzuzweni yomzi, esazulwini senzuzo yesikhulu, phakathi komda kaYuda nomda kaBhenjamin, koba kokwesikhulu.

23Eziseleyo ke izizwe: kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uBhenjamin woba necandelo elinye.

24Ngasemdeni ke kaBhenjamin, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uSimon, libe linye.

25Ngasemdeni ke kaSimon, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uIsakare, libe linye.

26Ngasemdeni ke kaIsakare, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uZebhulon, libe linye.

27Ngasemdeni ke kaZebhulon, kuthabathela ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: uGadi, libe linye.

28Ngasemdeni ke kaGadi, ngasecaleni lasezantsi, ngasezantsi, umda wothabathela kwaTamare, use emanzini embambano aseKadeshe, ukhweze umlambo, use kulo ulwandle olukhulu.

29Lilo elo ilizwe eniya kulabela izizwe zakwaSirayeli ngamaqashiso, ngokwamafa. Zizo ezo izahlulo zalo, itsho iNkosi uYehova.

Amasango negama lomzi

30Zizo ezi iziphelo zamacala omzi: ngecala langasentla ngamawaka amané anamakhulu amahlanu, umlinganiso ngengcongolo;

31amasango omzi oba ngokwamagama ezizwe zakwaSirayeli, ibe ngamasango amathathu ngasentla: ibe lisango likaRubhen elinye, ibe lisango likaYuda elinye, ibe lisango likaLevi elinye.

32Ngecala lasempumalanga yoba ngamawaka amané anamakhulu amahlanu eengcongolo; amasango ke mathathu: ibe lisango likaYosefu elinye, ibe lisango likaBhenjamin elinye, ibe lisango likaDan elinye.

33Ngecala langasezantsi, umlinganiso yoba ngamawaka amané anamakhulu amahlanu; amasango ke mathathu: ibe lisango likaSimon elinye, ibe lisango likaIsakare elinye, ibe lisango likaZebhulon elinye.

34Ngecala lasentshonalanga yoba ngamawaka amané anamakhulu amahlanu; amasango ke awo mathathu: ibe lisango likaGadi elinye, ibe lisango lika-Ashere elinye, ibe lisango likaNafetali elinye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

35Ukujikeleza ke lishumi elinesibhozo lamawaka eengcongolo. Igama lawo umzi kothiwa kususela kuloo mini, nguYehova-ekhona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UDaniyeli

UDaniyeli 1

UDaniyeli nabahlobo bakhe abathathu ekuthinjweni eBhabheli

1Ngomnyaka wesithathu wobukumkani bukaYehoyakim ukumkani wakwaYuda,
kweza uNebhukadenetsare ukumkani waseBhabheli eYerusalem, wayingqinga.

2INkosi yamnikela uYehoyakim ukumkani wakwaYuda esandleni sakhe, nenxalenye
yeempahla zendlu kaThixo, awazithwalela ezweni laseShinare, endlwini yothixo
wakhe; iimpahla ezo wazingenisa endlwini yobuncwane bothixo wakhe.

3Wathi ukumkani kuAshpenazi, umthetheli-mathenwa akhe, makazìse abakoonyana
bakaSirayeli, nabembewu yakwakumkani, nabakumawaba;

4abantwana abangenasiphako, abanomkhitha, ababuqiqileyo ubulumko bonke,
abanokwazi, abanokuyiqonda bayazi into, abafanele ukuma ebhotweni lokumkani;
abafùndise incwadi nolwimi lwamaKaledi.

5Ukumkani wabamisela umamkeliso wemini ngangemini yawo, ekudleni kokumkani
nasewayinini ayiselayo, ukuze bondliwe iminyaka emithathu; bathi ekupheleni kwayo
beme phambi kokumkani.

6Ke phakathi kwabo abo kwaye kukho abakoonyana bakaYuda, inguDaniyeli,
noHananiya, noMishayeli, noAzariya.

7Umthetheli-mathenwa wabathiya amagama; uDaniyeli wamthiya elokuba
nguBheletshatsare, uHananiya elokuba nguShadraki, uMishayeli elokuba
nguMeshaki, uAzariya elokuba nguAbhede-nego.

OoDaniyeli bala ukutya kukakumkani

8Ke kaloku, uDaniyeli wayegqibe entliziyweni yakhe, ukuba angàzingcolisi ngokudla
kokumkani nangewayini ayiselayo; wacela kumthetheli-mathenwa ukuba
angàzingcolisi.

9UThixo wenza uDaniyeli ukuba afumane inceba nemfesane phambi komthetheli-
mathenwa.

10Umthetheli-mathenwa wathi kuDaniyeli, Ndiyayoyika inkosi yam ukumkani, omise
eniya kukudla neniya kukusela; yini na ukuba abubone ubuso benu buthe
matshamatsha kunobabayá baziintanga zenu? Noyizekisa ityala intloko yam
kukumkani.

11Wathi uDaniyeli kwinjoli, abethe umthetheli-mathenwa wayimisa phezu
koDaniyeli, noHananiya, noMishayeli, noAzariya,

12Khawubalinge abakhonzi bakho iintsuku ezilishumi, sinikwe sidle imifuno, sisele
namanzi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

13kukhangelwe phambi kwakho ukubonakala kwethu, nokubonakala kwabantwana
abadla ukudla kokumkani; wenze ke kubakhonzi bakho njengoko uboné ngako.

14Yabaphulaphula ke kweli lizwi, yabalinga iintsuku ezilishumi.

15Ekupheleni kweentsuku ezilishumi, yabonakala imbonakalo yabo intle, betyebile,
ngaphezu kwabantwana bonke abadla ukudla kokumkani.

16Yakúsusa ke injoli ukudla kwabo, newayini abange beyisela, yabanika imifuno.

OoDaniyeli bayabagqitha abanye ngomzimba nangengqondo

17Abo bantwana bané uThixo wabanika ukwazi, nokuziqonda iincwadi zonke,
nobulumko; uDaniyeli waba nokuyiqonda imibono yonke, namaphupha.

18Ekupheleni kweentsuku, abethe ukumkani maze baziswe ngazo,
umthethelimathenwa wabangenisa ke phambi koNebhukadenetsare.

19Ukumkani wathetha nabo; kubo bonke bephela àkufumanekanga
banjengoDaniyeli, noHananiya, noMishayeli, noAzariya. Bema ke bona phambi
kokumkani.

20Ke kuzo zonke iindawo zobulumko bokuqonda, abezibuza kubo ukumkani,
wabafumana bebadlula ngokukalishumi zonke izazi nabakhwitsi abasebukumkanini
bonke.

21Ke kaloku uDaniyeli waba lapho, kwada kwangumnyaka wokuqala kaKoreshi
ukumkani.

UDaniyeli 2

Izazi azinakumxelela ukumkani iphupha alilibeleyo

1Ngomnyaka wesibini uNebhukadenetsare engukumkani, uNebhukadenetsare
waphupha amaphupha, wakhathazeka umoya wakhe, waphelelwa bubuthongo.

2Ukumkani wathi makubizwe izazi, nabakhwitsi, nabakhafuli, namaKaledi, bamxelele
ukumkani amaphupha akhe. Beza ke bema phambi kokumkani.

3Wathi ukumkani kubo, Ndiphuphé iphupha; umoya wam ke ungqungela ukulazi
iphupha elo.

4AmaKaledi athetha ke kukumkani ngesiAram, athi, Kumkani, yidla ubomi
ngonaphakade! Bálawulele abakhonzi bakho iphupha elo; sokuxelela ukutyhilwa
kwalo.

5Waphendula ukumkani, wathi kumaKaledi, Ilizwi lam malazeke; ukuba anithanga
nindazise iphupha elo, nokutyhilwa kwalo, niya kwenziwa iziqwenga, izindlu zenu
zenziwe indawo ekuyiwa kuyo endle.

6Ukuba nithe nalixela iphupha elo, nokutyhilwa kwalo, nozuza kum izipho, nemivuzo,
nembeko enkulu; ngako oko ndixeleleni iphupha, nokutyhilwa kwalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Aphendula okwesibini athi, Ukumkani makabalawulele abakhonzi bakhe iphupha elo; sokuxelela ukutyhilwa kwalo.

8Ukumkani waphendula wathi, Ndiyazi ngokunyanisekileyo, ukuba ninga ningazuza ixesha, ngenxa enokuba nibona ukuba seliwisiwe ilizwi lam.

9Ukuba ke anithanga nindazise iphupha, mnye umthetho kuni; ngokuba nibhungé ngokuthetha amazwi angamanga, onakalisayo, phambi kwam, lide ixesha libe lilimbi. Ngako oko ndityeleni iphupha elo, ndázi ke ukuba nondixelela ukutyhilwa kwalo.

10Aphendula amaKaledi phambi kokumkani, athi, Akukho mntu phezu kwehlabathi unokuyixela le nto kakumkani; ngenxa yokuba akukho kumkani mkhulu, unegunya, wakha wabuza into enjalo kuzo zonke izazi, nabakhwitsi, namaKaledi.

11Ke loo nto ayifunayo ukumkani inqabile; akukho namnye unokuyixela phambi kokumkani, ingengabo oothixo abakhaya lingekhoyo kwizinto eziyinyama.

UThixo utyhila imfihlelo kuDaniyeli ngombono

12Ngenxa yoko waqumba ukumkani, waba noburhalarhume obukhulu, wathi mazitshatyalaliswe zonke izilumko zaseBhabheli.

13Kwaphuma umthetho wokuba mazibulawe izilumko. Bamfuna ke uDaniyeli namakholwane akhe, ukuba bababulale.

14Waza waphendula ngecebo nangengqondo uDaniyeli kuAriyoki, umthetheli wabasiki bokumkani, obephume weza kubulala izilumko zaseBhabheli.

15Waphendula wathi kuAriyoki, obenegunya lakomkhulu, Yini na ukuba kuphume umthetho onje ukuba bukhali kukumkani? Waza uAriyoki wamazisa uDaniyeli le nto.

16UDaniyeli wangena, wacela ukumkani ukuba amphe ixesha, ukuba amxelele ukumkani ukutyhilwa kwephupha elo.

17Waza uDaniyeli waya endlwini yakhe, wayazísa ooHananiya, noMishayeli, noAzariya, amakholwane akhe, le nto;

18ukuze bacele imfesane kuThixo wamazulu ngenxa yale mfihlakalo, ukuze bangàtshatyalaliswa uDaniyeli namakholwane akhe, kunye nezinye izilumko zaseBhabheli.

19Waza wayityhilelwa uDaniyeli loo mfihlakalo ngombono wasebusuku. Waza uDaniyeli wambonga uThixo wamazulu.

20Wasusela uDaniyeli wathi, Malibongwe igama likaThixo, kususela kunaphakade kude kuse ephakadeni; ngokuba ubulumko nobugorha bona bobakhe.

21Yena uyawaguqula ke amaxesha neminyaka; uguzula ookumkani, amise ookumkani; unika ubulumko kwizilumko, unika ukwazi kwabakwaziyo ukuqonda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Yena utyhila izinto ezinzulu nezisitheleyo; uyakwazi okusebumnyameni, ukukhanya kuhleli kuye.

23Ndiya kubulela, Thixo woobawo, ndikuncoma, kuba undiniké ubulumko nobugorha, wandazisa kalokunje oko sibe sikucela kuwe; ngokuba usazísile ngokunje le nto yokumkani.

UDaniyeli uxelela ukumkani iphupha lakhe

24Ngenxa yoko uDaniyeli wangena waya kuAriyoki, lowo ubemiswe ngukumkani ukuba atshabalalise izilumko zaseBhabheli. Waya ke, wathi kuye, Musa ukuzitshabalalisa izilumko zaseBhabheli; ndíse kukumkani; ndomxelela ukumkani ukutyhilwa kwephupha elo.

25Waza uAriyoki wamzisa uDaniyeli ngobungxamo kukumkani, wathi kuye, Ndifumene indoda koonyana baseluthinjweni lwakwaYuda, eya kumazisa ukumkani ukutyhilwa kwephupha elo.

26Waphendula ukumkani, wathi kuDaniyeli, ogama linguBheletshatsare, Ùnako na ukundazisa iphupha endilibonileyo, nokutyhilwa kwalo?

27Waphendula uDaniyeli phambi kokumkani, wathi, Imfihlakalo ayibuzayo ukumkani, azinako ukumxelela ukumkani izilumko, nabakhwitsi, nezazi, namatola.

28Kodwa ke kukho uThixo emazulwini, ozityhilayo iimfihlakalo, onokumazisa ukumkani uNebhukadenetsare okuya kubakho ekupheleni kwemihla. Iphupha lakho, nemibono yentloko yakho esililini sakho, nantsi:

29Wena kumkani, izicamango zakho zathi tyaba kuwe esililini sakho, zokúya kubakho emveni koku; lowo ke uzityhilayo iimfihlakalo uyakwazisa okuya kubakho.

30Mna le mfihlakalo, ukuyityhilelwa kwam, àkungenxa yabulumko ndingába ndinabo ngaphezu kwabo bonke abaphilileyo; kungenxa yokuze aziswe ukumkani ukutyhilwa kwalo, uzazi izicamango zentliziyo yakho.

31Wena kumkani, wabe ubona, nango umfanekiso omkhulu. Loo mfanekiso ubumkhulu, nokubengezela kwawo kwancamisa, umi phambi kwakho; imbonakalo yawo ibisoyikeka.

32Loo mfanekiso, intloko yawo ibiyigolide elungileyo, isifuba sawo neengalo zawo ziyisilivere, isisu sawo namanqe awo elubhedu, imilenze yawo isisinyithi;

33iinyawo zawo, ngenxalenye zisisinyithi, ngenxalenye ziludongwe.

34Wawubona, kwada kwazithwebula ilitye, kungengazandla; labetha emfanekisweni, ezinyaweni zawo zesinyithi nodongwe, lazicola.

35Zaza ke zacoleka kwakanye isinyithi, nodongwe, nobhedu, nesilivere, negolide, zaba njengomququ wezandá zasehlotyeni; wemka nazo umoya, azafunyanelwa

© 1975 Bible Society of South Africa.

ndawo. Ilitye elo, libethileyo emfanekisweni, laba yintaba enkulu, lazalisa ihlabathi lonke.

UDaniyeli utyhila iphupha

36Lilo elo iphupha; ukutyhilwa kwalo sòkuxela phambi kokumkani.

37Wena kumkani, kumkani wookumkani, uThixo wamazulu ukuniké ubukumkani, namandla, nokomelela, nozuko;

38ezindaweni zonke ke, apho kuhleli khona into engumntu, amarhamncwa asendle neentaka zezulu úzinikele esandleni sakho, wakwenza wanegunya kuzo zonke: intloko yegolide le nguwe.

39Emveni kwakho, kuya kuvela obunye ubukumkani obuphantsi kunawe, nobunye ubukumkani besithathu bobhedu, obuya kuba negunya ehlabathini lonke.

40Nobesiné ubukumkani buya kuba njengesinyithi ukomelela, ngenxa enokuba isinyithi sizicola sizithi nkumenkume izinto zonke; boba njengesinyithi ukuzicola nokuzithi nkumenkume izinto zonke.

41Wazibonáyo nje iinyawo neenzwane, beziludongwe lombumbi ngenxalenye, zisisinyithi ngenxalenye, bubukumkani obuya kuba bobahlukeneyo; kobakho ubulukhuni besinyithi kubo; ngenxa enokuba ubusibona sisinyithi sixutywe nodongwe oluludaka.

42Iinzwane zeenyawo zisisinyithi njengenxalenye, ziludongwe njengenxalenye, ubukumkani buya kuthi bomelèle ngenxalenye, bube nkumenkume ngenxalenye.

43Wasibonáyo nje isinyithi sixutywe nodongwe lodaka, baya kuzixuba nembewu yento engumntu; kodwa abayi kunamathelana, yabona, kwanjengokuba isinyithi singaxubeki nodongwe.

44Ngemihla yabo kumkani, uThixo wamazulu uya kumisa ubukumkani obungayi konakala naphakade. Obo bukumkani abuyi kusala nabantu bambi; buya kuzicola buzigqibe zonke ezo zikumkani, bona bume ngonaphakade.

45Ngenxa enokuba wabonáyo, ukuba ilitye lazithwebula entabeni, kungengazandla, lasicola isinyithi, nobhedu, nodongwe, nesilivere, negolide, uThixo omkhulu umazísile ukumkani okuya kubakho emveni koku; iphupha liqinisekile, ukutyhilwa kwalo kuyinyaniso.

Ukumkani ubenza bakhulu ooDaniyeli nabahlobo bakhe

46Waza ukumkani uNebhukadenetsare wawa ngobuso bakhe, waqubuda kuDaniyeli, wathi, makathululelwe iminikelo yokudla, aqhunyiselwe amavumba athozamisayo.

47Ukumkani wamphendula uDaniyeli, wathi, Okwenyaniso, uThixo wenu nguThixo woothixo, yiNkosi yookumkani, ngumtyhili weemfihlakalo: ùthe waba nako nje wena ukuyityhila le mfihlakalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

48Waza ukumkani wamenza mkhulu uDaniyeli, wampha izipho ezikhulu zazininzi,
wamenza waba negunya phezu kwelizwe lonke laseBhabheli, waba ngumongameli
omkhulu wezilumko zonke zaseBhabheli.

49UDaniyeli wacela kukumkani; yena wamisa enkonzweni yokuphatha ilizwe
laseBhabheli ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego. Ke yena uDaniyeli waba
sesangweni lokumkani.

UDaniyeli 3

Umfanekiso wegolide kaNebhukadenetsare

1UNebhukadenetsare ukumkani wenza umfanekiso wegolide. Ukuphakama kwawo
bekuziikubhite ezimashumi mathandathu, ububanzi bawo bebuziikubhite
ezintandathu; wawumisa ethafeni laseDura, ezweni laseBhabheli.

2UNebhukadenetsare wathumela ukuba kuhlanganiswe iirhuluneli, nabathetheli
bomkhosi, namabamba, nabagwebi abakhulu, nabagcini-ndyebo, nabaqondisi-
mthetho, nabagwebi, nabo bonke abanegunya emazweni, ukuze beze
ekusungulweni komfanekiso, abewumisile uNebhukadenetsare ukumkani.

3Zaza zahlanganisana iirhuluneli, nabathetheli bomkhosi, namabamba, nabagwebi
abakhulu, nabagcini-ndyebo, nabaqondisi-mthetho, nabagwebi, nabo bonke
abanegunya emazweni, ukuze usungulwe umfanekiso, abewumisile
uNebhukadenetsare ukumkani; bema ke phambi komfanekiso abewumisile
uNebhukadenetsare ukumkani.

4Ummemezi wadanduluka ngamandla, wathi, Kuthiwa kuni, zintlanga, zizwe, zilwimi:

5Ngexesha enithe neva izwi lesigodlo, nelembande, nelekitare, nelomrhubhe,
nelohadi, nelogwali, nelezinye iintlobo zonke ezibethwayo, yiwani phantsi, niqubude
kumfanekiso wegolide awumiseleyo uNebhukadenetsare ukumkani.

6Ongathanga awe phantsi, aqubude, uya kujulelwa kwaoko ezikweni elivutha umlilo.

7Ngenxa yoko, ngelo xesha, xa zalivayo iintlanga zonke ilizwi lesigodlo, nelembande,
nelekitare, nelomrhubhe, nelohadi, nelogwali, nelezinye iintlobo zonke ezibethwayo,
zawa phantsi zonke iintlanga, nezizwe, neelwimi, zaqubuda kumfanekiso wegolide
abewumisile uNebhukadenetsare ukumkani.

UShadraki noMeshaki noAbhede-nego bayala ukuqubuda kumfanekiso

8Ngenxa yoko, ngelo xesha kwasondela amadoda angamaKaledi, awancetheza
amaYuda.

9Athetha athi kukumkani uNebhukadenetsare, Kumkani, yidla ubomi ngonaphakade!

10Wena kumkani, ùwise umthetho wokuthi, bonke abantu abathe baliva izwi
lesigodlo, nelembande, nelekitare, nelomrhubhe, nelohadi, nelogwali, nelezinye
iintlobo zonke ezibethwayo, mabawe phantsi baqubude kumfanekiso wegolide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ongathanga awe phantsi, aqubude, makajulelwe ezikweni elivutha umlilo.

12Kukho amadoda angamaYuda, owamise enkonzweni yokuphatha ilizwe laseBhabheli, uShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego; la madoda akakhathali nguwe, kumkani; akababusi oothixo bakho, akaqubudi kumfanekiso wegolide owumisileyo.

13Waza wathi uNebhukadenetsare, equmbile, eshushu, mabaziswe ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego. Aziswa ke la madoda phambi kokumkani.

14Waphendula uNebhukadenetsare, wathi kubo, Nenza ngabomi na, Shadraki, Meshaki, Abhede-nego, ukuthi ningambusi uthixo wam, ningaqubudi kumfanekiso wegolide endiwumisileyo?

15Ke ukuba nithe ngoku nalungela ukuthi, ngexesha lokuva kwenu izwi lesigodlo, nelembande, nelekitare, nelomrhubhe, nelohadi, nelogwali, nelezinye iintlobo zonke ezibethwayo, niwe phantsi, niqubude kumfanekiso endiwenzileyo, kolunga; kodwa ukuba anithanga niqubude, nojulelwa kwaoko ezikweni elivutha umlilo. Ngubani na ke uthixo oya kunisindisa esandleni sam?

16Baphendula ooShadraki, noMeshaki noAbhede-nego, bathi kukumkani, Nebhukadenetsare, akufuneki kuthi ukuba sikuphendule ngale ndawo.

17Ukuba uThixo wethu esimbusayo unako, wosisindisa ezikweni elivutha umlilo, nasesandleni sakho, kumkani.

18Ke, ukuba akunjalo, makwazeke kuwe, kumkani, ukuba asiyi kubabusa othixo bakho, asiyi kuqubuda kumfanekiso wegolide owumisileyo.

UShadraki noMeshaki noAbhede-nego bahlangulwa kwiziko elivutha umlilo

19Wesuka uNebhukadenetsare wazala bubushushu, nokumila kobuso bakhe baba bubi kuShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego; waphendula wathi, iziko malenziwe libe shushu ngokuphindwe kasixhenxe, kunoko fudula lisenziwa shushu ngako.

20Wathi kumadoda, kumadoda anobukroti empini yakhe, makababophe ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego, abajulele ezikweni elivutha umlilo.

21Aza la madoda abotshwa eneehempe zawo, neengubo zawo zangaphantsi, nezokwaleka, nezinye iingubo zawo, ajulelwa ezikweni elivutha umlilo.

22Kwathi, ngenxa enokuba ilizwi lokumkani belibukhali, neziko belenziwe lashushu ngokuncamisileyo, ngenxa yoko ilangatye lomlilo lawabulala loo madoda abafunquláyo ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego.

23La madoda omathathu, ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego, awa phakathi kweziko elivutha umlilo, ebotshiwe.

24Waza uNebhukadenetsare ukumkani wothuka, wesuka ngobungxamo, wathetha wathi kumaphakathi akhe, Besingàjulelanga phakathi komlilo amadoda amathathu yini na, ebotshiwe? Aphendula athi kukumkani, Ùnyanisile, kumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Waphendula wathi, Khangelani, ndibona amadoda amané, ekhululekile, ehamba phakathi komlilo, engènzakele; ukubonakala kweyesiné ke kufana nonyana woothixo.

26Waza uNebhukadenetsare wasondela esangweni leziko elivutha umlilo, waphendula wathi, Shadraki, Meshaki, Abhede-nego, bakhonzi boThixo Osenyangweni, phumani nize. Baza baphuma ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego, emlilweni.

27Zahlanganisana iirhuluneli, nabathetheli bomkhosi, namabamba, namaphakathi okumkani; bawakhangela la madoda, ukuba umlilo awubanga namandla emizimbeni yawo, akurhawukanga nalunwele lwentloko yawo; iihempe zawo azibanga zizimbi, nevumba lomlilo alifikanga kuwo.

28Waphendula uNebhukadenetsare wathi, Makabongwe uThixo kaShadraki, kaMeshaki, ka-Abhede-nego osithumileyo isithunywa sakhe, wabasindisa abakhonzi bakhe, ababekholose ngaye, baligqitha ilizwi lokumkani, bayinikela imizimba yabo, ukuba bangabusi, bangaqubudi, kuthixo nonguwuphi, ongenguye uThixo wabo.

29Ndiwisa umthetho wokuba zonke iintlanga, nezizwe, neelwimi, ezisukuba zithetha into eyimposiso ngoThixo kaShadraki, kaMeshaki, ka-Abhede-nego, ziya kwenziwa iziqwenga; izindlu zabo zenziwe indawo ekuyiwa kuyo endle; ngenxa enokuba kungekho thixo wumbi, unako ukuhlangula ngolo luhlobo.

30Waza ukumkani wabenza banempumelelo ooShadraki, noMeshaki, noAbhede-nego, ezweni laseBhabheli.

UDaniyeli 4

UNebhukadenetsare uphupha ngomthi

1UNebhukadenetsare ukumkani uthi kuzo zonke iintlanga, nezizwe, neelwimi ezimiyo ehlabathini lonke: Malube lukhulu uxolo lwenu.

2Imiqondiso nezimanga, azenzileyo kum uThixo Osenyangweni, kukholekile kum ukuba ndizixele.

3Imiqondiso yakhe, hayi ukuba mikhulu kwayo! Izimanga zakhe, hayi ukuba namandla kwazo! Ubukumkani bakhe bubukumkani obungunaphakade, igunya lakhe likwizizukulwana ngezizukulwana.

4Mna Nebhukadenetsare, bendichulumachile endlwini yam, ndenile ebhotweni lam.

5Ndabona iphupha, landothusa; ndaneengcinga esililini sam, nemibono yentloko yam, eyandikhwankqisayo.

6Ndawisa umthetho wokuthi, zonke izilumko zaseBhabheli maziziswe phambi kwam, ukuba zindazise ukutyhilwa kwephupha elo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Zaza zeza izazi, nabakhwitsi, namaKaledi, namatola; ndabalawulela iphupha; ke abandazisanga ukutyhilwa kwalo.

8Kwada ekupheleni kweza kum uDaniyeli, ogama linguBheletshatsare ngokwegama lothixo wam, onomoya woothixo abangcwele. Ndamlawulela iphupha, ndathi,

9Bheletshatsare, mongameli wezazi, wena ndikwayizo ukuba unomoya woothixo abangcwele, akukho mfihlakalo ikukhohlayo; ndítyele imibono yephupha lam endilibonileyo, nokutyhilwa kwalo.

10Imibono ke yentloko yam esililini sam nantsi: Ndabona, nango umthi usesazulwini sehlabathi; ukuphakama kwawo bekukukhulu.

11Wakhula umthi, womelela; ukuphakama kwawo kwafikelela ezulwini, nokubonakala kwawo ekupheleni kwehlabathi lonke.

12Amagqabi awo abemahle, neziqhamo zawo bezizininzi; ubunokudla okwanele iinto zonke. Amarhamncwa asendle abenomthunzi phantsi kwawo, iintaka zezulu zahlala emasebeni awo, yadla kuwo yonke inyama.

13Ndabona emibonweni yentloko yam, ndisesililini sam, nanko kusihla umlindi engongcwele emazulwini.

14Wadanduluka ngamandla, watsho ukuthi, Wúgawuleni lo mthi, niwanqumle amasebe awo, niwaqhawule amagqabi awo, nizichithachithe iziqhamo zawo. Makabaleke emke phantsi kwawo amarhamncwa, neentaka emasebeni awo.

15Kodwa ke isiphunzi esineengcambu zawo sishiyeni emhlabeni, síphanjiwe ngesinyithi nobhedu eluhlazeni lwasendle. Masinyakamiswe ngumbethe wezulu; makahlulelane neenkomo ngotyani bomhlaba.

16Intliziyo yakhe mayisuke ingabi yeyomntu, anikwe intliziyo yenkomo; kudlule amaxesha amisiweyo abe sixhenxe phezu kwakhe.

17Umyalezo lo ukho ngengqibo yabalindi, umcimbi lo lilizwi labayingcwele; ngokokuze bazi abahleliyo, ukuba Osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, abùnike lowo athanda ukumnika, amise ophantsi ebantwini phezu kwabo.

18Elo phupha ndilibonile, mna kumkani Nebhukadenetsare. Wena ke, Bheletshatsare, lityhile ke, ngenxa enokuba zonke izilumko zobukumkani bam zingenako ukundazisa ukutyhilwa kwalo; ube ke wena unako, ngokuba ùnomoya woothixo abangcwele.

UDaniyeli uyalichaza iphupha

19Waza uDaniyeli, ogama linguBheletshatsare, wamangaliswa umzuzwana, nezicamango zakhe zamkhwankqisa. Waphendula ukumkani wathi, Bheletshatsare, iphupha nokutyhilwa kwalo malingakukhathazi. UBheletshatsare waphendula wathi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

Nkosi yam, iphupha malisingisele kwabakuthiyileyo, nokutyhilwa kwalo kwabakuzondayo.

20Umthi owubonileyo, owakhuláyo womelela, okuphakama kwawo kwafikelelayo ezulwini, wabonwa ehlabathini lonke;

21omagqabi ayemahle, oziqhamo bezizininzi, obunokudla okwanele izinto zonke, awahlala phantsi kwawo amarhamncwa asendle, ezaba neendlu emasebeni awo iintaka zezulu:

22nguwe lowo, kumkani, ùthe wakhula, womelela; ùbukhulu bakho bukhulileyo bafika ezulwini, negunya lakho ekupheleni kwehlabathi.

23Le nto yokuba ukumkani ebone umlindi ongoyingcwele esihla emazulwini, esithi, Wugawuleni lo mthi, niwonakalise; kodwa isiphunzi esineengcambu zawo, sishiyeni emhlabeni, síphanjiwe ngesinyithi nobhedu eluhlazeni lwasendle; sinyakamiswe ngumbethe wezulu, ahlulelane neenkomo ngotyani, kude kudlule phezu kwakhe amaxesha amisiweyo asixhenxe:

24nanku ukutyhilwa kwako, kumkani; nantsi ingqibo yOsenyangweni eya kuyifikela inkosi yam ukumkani:

25ùya kugxothwa ebantwini, libe kumarhamncwa asendle ikhaya lakho, udliswe utyani njengeenkomo, unyakamiswe ngumbethe wezulu, kudlule phezu kwakho amaxesha amisiweyo asixhenxe, ude wazi ukuba Osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, ebunika lowo athanda ukumnika.

26Le nto kuthiwe isiphunzi esineengcambu zomthi, masishiywe, ithi, ubukumkani bakho buya kuqiniselwa kuwe, kwaoko wakùthi wazi ukuba amazulu anegunya.

27Ngako oko, kumkani, icebo lam malikholeke kuwe, uzaphule izono zakho ngobulungisa, nobugwenxa bakho ngokubababala abaziintsizana, ukuba kungà kungoluka ukuchulumacha kwakho.

Ukuzaliseka kwephupha

28Konke oko kwamfikela ukumkani uNebhukadenetsare.

29Ekupheleni kweenyanga ezilishumi elinambini, wayehambahamba phezu kwebhotwe lokumkani laseBhabheli.

30Wasusela ukumkani wathi, Le asiyiyo na iBhaqheli enkulu, endiyakhele ukuba ibe yindlu yobukumkani ngokuqina kwamandla am, nangenxa yobuhandiba bobungangamsha bam?

31Lithe elo zwi lisesemlonyeni wokumkani, kwawa izwi emazulwini, lisithi, Kuthiwe kuwe, Nebhukadenetsare kumkani, ubukumkani bumkile kuwe.

32Ùya kugxothwa ebantwini, libe kumarhamncwa asendle ikhaya lakho, udliswe utyani njengeenkomo, kudlule phezu kwakho amaxesha amisiweyo asixhenxe, ude

© 1975 Bible Society of South Africa.

wazi ukuba Osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, ebunika lowo athanda ukumnika.

33Kwaoko lazaliswa ilizwi kuNebhukadenetsare; wagxothwa ebantwini, wadla utyani njengeenkomo, wanyakamiswa umzimba wakhe ngumbethe wezulu, zada iinwele zakhe zakhula, zanjengeentsiba zamaxhalanga, neenzipho zakhe zanjengezeentaka.

34Ekupheleni kwemihla, mna, Nebhukadenetsare, ndawaphakamisela ezulwini amehlo am; ukwazi kwam kwabuyela kwakum, ndambonga Osenyangweni, ndamncoma, ndambeka ohleli ngonaphakade, ogunya liligunya elingunaphakade, obukumkani bunezizukulwana ngezizukulwana.

35Baye bonke abemi behlabathi bebalelwe ekubeni yinto engento, esenza yena ngokuthanda kwakhe empini yasemazulwini, nakubemi behlabathi. Akukho bani ubethayo esandleni sakhe, athi kuye, Wènza ntoni na?

36Kwaoko ukwazi kwam kwabuyela kwakum; nangenxa yobuhandiba bobukumkani bam, ubungangamsha bam nokutyatyamba kwam kwabuyela kwakum. Àndifuna amaphakathi am nezikhulu zam; ndabuyiselwa ebukumkanini bam, ndongezwa ubukhulu obuncamisileyo.

37Kaloku, mna Nebhukadenetsare, ndiyamncoma, ndimphakamisa, ndimbeka uKumkani wamazulu; ngokuba yonke imisebenzi yakhe iyinyaniso, neendlela zakhe zisesikweni; nangokuba enako ukubathoba abahamba beqhankqalazile.

UDaniyeli 5

Isidlo sikaBheleshatsare

1UBheleshatsare ukumkani walenzela isidlo esikhulu iwaka lezikhulu zakhe, wasela iwayini phambi kwewaka elo.

2UBheleshatsare, akuyiva iwayini, wathi maziziswe iimpahla zegolide nezesilivere, abezithimbile uNebhukadenetsare uyise etempileni eseYerusalem, ukuze asele ngazo ukumkani nezikhulu zakhe, namakhosikazi akhe, namashweshwe akhe.

3Baza bazizisa iimpahla zegolide, ezazithinjwe etempileni yendlu kaThixo eseYerusalem. Wasela ngazo ukumkani nezikhulu zakhe, namakhosikazi akhe, namashweshwe akhe.

4Basela iwayini, babancoma oothixo begolide, nabesilivere, nabobhedu, nabesinyithi, nabemithi, nabamatye.

Umbhalo eludongeni nokutyhilwa kwawo nguDaniyeli

5Kwaoko kwavela iminwe yesandla somntu, yabhala malunga nesiphatho sesibane, efutheni lodonga lwebhotwe lobukumkani; ukumkani wakubona ukuphela kwesandla esibhalayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Laza laguquka ibala lobuso bokumkani, zamngqungisa izicamango zakhe, amalungu
esinqe sakhe acombuluka, namadolo akhe abethabethana.

7Ukumkani wadanduluka ngamandla, ukuba baziswe abakhwitsi, namaKaledi,
namatola. Waphendula ukumkani, wathi kwizilumko zaseBhabheli, Othe wawulesa lo
mbhalo, wakuxela kum ukutyhilwa kwawo, uya kunxitywa iingubo ezimfusa,
nomxokelelwane wegolide emqaleni wakhe, abe ngowabathathu abanegunya
ebukumkanini obu.

8Zaza zafika zonke izilumko zokumkani; ke azaba nako ukuwulesa umbhalo,
nokumazisa ukumkani ukutyhilwa kwawo.

9Waza uBheleshatsare ukumkani wakhathazeka kakhulu, laguquka ibala lobuso
bakhe, nezikhulu zakhe zadubadubeka.

10Ukumkanikazi, unina, ngenxa yamazwi okumkani nezikhulu zakhe, wangena
endlwini yomgidi. Ukumkanikazi unina waphendula wathi, Kumkani, phila
ngonaphakade! Izicamango zakho mazingakukhathazi, lingaguquki ibala lobuso
bakho.

11Kukho indoda ebukumkanini bakho, enomoya woothixo abangcwele; ekwathi
ngemihla yoyihlo kwafunyanwa kuyo ukukhanya nokuqiqa nobulumko,
njengobulumko bothixo; awathi ukumkani uNebhukadenetsare uyihlo wayimisa
yangumongameli wezazi, nabakhwitsi, namaKaledi, namatola — uyihlo, kumkani;

12ngenxa enokuba kwafunyanwa kuye umoya ogqithisileyo ngobuhle, nokwazi,
nokuqiqa, etyhila amaphupha, exela iintsonkotha, ecombulula amaqhina; kuDaniyeli,
owathiywa ngukumkani igama elinguBheletshatsare. UDaniyeli makabizwe kaloku;
wókuxela ukutyhilwa kwawo.

13Waza uDaniyeli wasiwa phambi kokumkani. Ukumkani wathetha kuDaniyeli, wathi,
Ùngulaa Daniyeli na ungowakoonyana bakaYuda, abathinjwáyo, abaziswayo
ngukumkani ubawo, bephuma kwaYuda?

14Ndikuvile, ukuba unomoya woothixo wena; kufunyanwa kuwe ukukhanya,
nokuqiqa, nobulumko obuncamisileyo.

15Ke kaloku beziziswe kum izilumko nabakhwitsi, ukuze balese lo mbhalo, bandazise
ukutyhilwa kwawo; ke azibanga nako ukundixelela ukutyhilwa kwale nto.

16Mna ndivile ke ngawe, ukuba unako ukutyityhila into, ucombulule namaqhina.
Ukuba ke uthe wanako ukuwulesa lo mbhalo, nokundazisa ukutyhilwa kwawo, ùya
kunxitywa iingubo ezimfusa, nomxokelelwane wegolide emqaleni wakho, ube
ngowabathathu ebukumkanini abanegunya.

17Waza waphendula uDaniyeli, wathi phambi kokumkani, Izipho zakho mazihlale
kuwe, imivuzo yakho uyinike omnye; kodwa ndiya kuwulesa lo mbhalo kukumkani,
ndimazise ukutyhilwa kwawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Wena kumkani, uThixo Osenyangweni wamnika uNebhukadenetsare uyihlo ubukumkani, nobukhulu, nobuhandiba, nobungangamsha.

19Ngenxa yobukhulu ke awabunikwayo, zadidizela zonke iintlanga, nezizwe, neelwimi, zothuka phambi kwakhe. Lowo wathanda ukumbulala, wambulala; lowo wathanda ukumyeka aphile, wamyeka waphila; lowo wathanda ukumphakamisa, wamphakamisa; lowo wathanda ukumthoba, wamthoba.

20Ke xeshikweni intliziyo yakhe yaziphakamisayo, umoya wakhe waqinayo, wakhukhumalayo, wesuka wahliswa etroneni yobukumkani bakhe, nobuhandiba bakhe basuswa kuye.

21Wagxothwa koonyana babantu, intliziyo yakhe yaba njengeyeenkomo, nekhaya lakhe laba semaesileni asendle, wadliswa utyani njengeenkomo, wanyakamiswa umzimba wakhe ngumbethe wezulu, wada wazi, ukuba uThixo Osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, amise phezu kwabo lowo athanda ukummisa.

22Wena ke nyana wakhe, Bheleshatsare, akuyithobanga intliziyo yakho, nakuba ubukwazi oko konke.

23Ùziphakamisile ngaphezu, kweNkosi yamazulu, neempahla zendlu yayo zaziswa phambi kwakho, wena nezikhulu zakho, namakhosikazi akho, namashweshwe akho; nasela iwayini ngazo. Wancoma oothixo besilivere, nabegolide, nabobhedu, nabesinyithi, nabemithi, nabamatye, abangaboniyo, abangevayo, abangaziyo. Ke uThixo lowo, kùsesandleni sakhe ukuphefumla kwakho, onazo zonke iindlela zakho, akumbekanga.

24Waza wathuma, kwavela kuye oko kuphela kwesandla, lo mbhalo ke wàwubhaliwe.

25Nangu ke loo mbhalo wàwubhaliwe: MENE, MENE, TEKELE, UFARSIN.

26Nanku ukutyhilwa kwale nto: elokuba MENE lithi, UThixo ububalile ubukumkani bakho, wabuphelisa.

27Elokuba TEKELE lithi, Wena ulinganisiwe esikalini, wafunyanwa ulula.

28Elokuba PERES lithi, Buyahlulwa ubukumkani bakho, bunikwe amaMedi namaPersi.

29Waza uBheleshatsare wayalela, bamnxiba uDaniyeli iingubo ezimfusa, nomxokelelwane wegolide emqaleni wakhe; bamemeza ngaye ngelithi, úya kuba ngowabathathu onegunya ebukumkanini.

UDariyo umMedi uyayoyisa iBhabheli

30Kwangobo busuku wabulawa uBheleshatsare ukumkani wamaKaledi.

31UDariyo, umMedi, wabuthabatha ubukumkani, eminyaka ikumashumi omathandathu anamibini ezelwe.

UDaniyeli 6

© 1975 Bible Society of South Africa.

UDaniyeli wenziwa mkhulu nguDariyo

1Kwakholeka kuDariyo ukumisa phezu kobukumkani iirhuluneli ezilikhulu elinamashumi amabini, ukuze zibe sebukumkanini bonke.

2Wamisa phezu kwazo ezo abongameli babathathu, omnye kubo inguDaniyeli, ukuze iirhuluneli zinike ingxelo kubo, aze ukumkani angabi nankxwaleko.

3Waza lo Daniyeli wabongamela abongameli nabaziirhuluneli, ngokokuba egqithisele kubongameli ngomoya omhle; ukumkani wacinga ngokummisa phezu kobukumkani bonke.

Iyelenqe elenzelwe uDaniyeli

4Baza abongameli nabaziirhuluneli bafuna, ukuba bafumane ithuba ngakuDaniyeli mayela nobukumkani. Ke ababanga nako ukufumana nalinye ithuba, nantlondi imbi, ngenxa enokuba ebethembekile; bekungafumaneki nanye imposiso nantlondi imbi kuye.

5Aza loo madoda athi, Asiyi kufumana nalinye ithuba ngakulo Daniyeli, ngaphandle kokuba silifumane kuye mayela nomthetho woThixo wakhe.

6Baza abo bangabongameli nabaziirhuluneli beza kukumkani bedlongozela, batsho kuye ukuthi, Kumkani Dariyo, phila ngonaphakade!

7Bonke abongameli bobukumkani, nabathetheli bomkhosi, neerhuluneli, namaphakathi, namabamba, bavumelene ngecebo lokuba ukumkani amise ummiselo, aqinise isalelo sokuthi: Bonke abathandaza umthandazo nakongubani, uthixo nomntu, ongenguwe, kumkani, ngeentsuku ezimashumi mathathu, mabajulelwe emhadini weengonyama.

8Kaloku ke, kumkani, síqinise isalelo, uwubhale umbhalo, ongenakuguqulwa wona, ngokomthetho wamaMedi namaPersi, ongenakutshitshiwa bani.

9Ngenxa yoko ukumkani uDariyo wawubhala umbhalo lowo, isalelo eso.

10Ke kaloku uDaniyeli, ákwazi ukuba umbhalo lowo ubhaliwe, wangena endlwini yakhe; ibe neefestile zivulekile egumbini lakhe eliphezulu, elikhangele eYerusalem. Waguqa ngamadolo akhe izihlandlo ezithathu ngemini, wathandaza, wabulela phambi koThixo wakhe, ngenxa enokuba ebesenjenjalo kakade.

11Aza adlongoza la madoda, amfumana uDaniyeli ethandaza, etarhuzisa phambi koThixo wakhe.

12Ezo asondela, athetha phambi kokumkani ngesalelo sokumkani, athi, Àkusibhalanga na isalelo sokuthi: Bonke abathandaza nakongubani, uthixo nomntu, ongenguwe, kumkani, ngeentsuku ezimashumi mathathu, mabajulelwe emhadini weengonyama? Waphendula ukumkani wathi, Loo nto iqinisekile ngokomthetho wamaMedi namaPersi, ongenakutshitshiswa bani wona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Aza aphendula athi phambi kokumkani, UDaniyeli, ongowakoonyana abathinjiweyo bakwaYuda, akakhathali nguwe, kumkani, nasesi salelo usibhalileyo; ke uthandaza umthandazo wakhe kathathu ngemini.

14Waza ukumkani, akuweva loo mazwi, weva kakubi kakhulu ngayo loo nto. Wamnyamekela uDaniyeli ukuba amsindise, wazama ukuba amhlangule, lada latshona ilanga.

15Aza la madoda eza edlongozela kukumkani, athi kukumkani, Yazi, kumkani, ukuba amaMedi namaPersi anomthetho wokuba singàbi nakuguqulwa sonke isalelo nommiselo, abewumisile ukumkani.

UDaniyeli ujulelwa emhadini weengonyama

16Watsho ke ukumkani; bamzisa uDaniyeli, bamjulela emhadini weengonyama. Waphendula ukumkani wathi kuDaniyeli, Wanga uThixo wakho, ombusa ngamaxesha onke, angákusindisa.

17Kwaziswa ilitye, labekwa phezu komlomo womhadi; ukumkani walitywina ngomsesane wakhe wokutywina, nangomsesane wokutywina wezikhulu zakhe, ukuze kungàguqulwa nto mayela noDaniyeli.

18Waza ukumkani waya ebhotweni lakhe, wabugqiba ubusuku ezila ukudla; àkwaziswa zintombi zingqungqayo phambi kwakhe, waphelelwa bubuthongo.

Ukuhlangulwa kukaDaniyeli

19Waza ukumkani wavuka ngesifingo kwakusasa, waya emhadini weengonyama ngobungxamo.

20Akusondela emhadini, wadanduluka kuDaniyeli ngezwi elibuhlungu. Wasusela ukumkani, wathi kuDaniyeli, Daniyeli, mkhonzi woThixo ophilileyo, uThixo wakho, obuhlala umbusa, úbe nako na ukukusindisa ezingonyameni?

21Waza uDaniyeli wathi kukumkani, Kumkani, phila ngonaphakade!

22UThixo wam uthume isithunywa sakhe, sayivingca imilomo yeengonyama, ukuba zingandenzakalisi, ngenxa enokuba phambi kwakhe kufumaneké ukuba ndimsulwa; naphambi kwakho, kumkani, andonanga.

23Waza ukumkani wavuya kunene, wathi uDaniyeli makanyuswe emhadini. Wenyuswa ke uDaniyeli. Akwafumaneka nasinye esinzakalo kuye; ngokuba ebekholwe kuThixo wakhe.

24Ukumkani wayalela, aziswa loo madoda abemncethezile uDaniyeli, bawajulela emhadini weengonyama, wona nabantwana bawo, nabafazi bawo; zaza, bengekafiki nokufika emzantsini womhadi, iingonyama zabagonyamela, zawacola onke amathambo abo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Waza uDariyo ukumkani wabhalela kuzo zonke iintlanga, nezizwe, neelwimi, ebezihleli ehlabathini lonke, wathi: Uxolo lwenu malube lukhulu!

26Ndiwisa umthetho wokuba bathi, ezindaweni zonke zegunya lobukumkani bam, badidizele bothuke abantu phambi koThixo kaDaniyeli. Ngokuba unguThixo ophilileyo, emi ngonaphakade; ubukumkani bakhe abonákaliswa, negunya lakhe liya kuda liye ekupheleni;

27esindisa, ehlangula, esenza imiqondiso nezimanga emazulwini nasehlabathini; ngokuba emsindisile uDaniyeli emandleni eengonyama.

28Lo Daniyeli waba nempumelelo ebukumkanini bukaDariyo, nasebukumkanini bukaKoreshi umPersi.

UDaniyeli 7

UDaniyeli uphupha amarhamncwa amané

1Ngomnyaka wokuqala kaBheleshatsare ukumkani waseBhabheli, uDaniyeli wabona iphupha nemibono yentloko yakhe esililini sakhe. Waza walibhala iphupha, waxela isimbuku sezo zinto.

2Wasusela uDaniyeli wathi, Ndabona embonweni wam ebusuku, nantso imimoya yominé yasezulwini, ityhobozela kulwandle olukhulu.

3Kwenyuka elwandle amarhamncwa amakhulu kakhulu, engafani elinye nelinye.

4Elokuqala libe linjengengonyama, linamaphiko okhozi; ndalibona, ada amaphiko alo axhwithwa, lafunqulwa emhlabeni, lamiswa ngeenyawo njengomntu, lanikwa intliziyo yomntu.

5Nalo elinye irhamncwa, elesibini, linjengebhere; laziphakamisa ngacala-nye, lineembambo ezintathu emlonyeni walo phakathi kwamazinyo alo; kwathiwa kulo, Suka udle inyama eninzi.

6Emveni koko ndabona: nalo elinye, linjengengwe, linamaphiko entaka amané emhlana walo, lineentloko eziné; irhamncwa elo lanikwa igunya.

7Emveni koko ndabona emibonweni yasebusuku: nalo irhamncwa lesiné, eloyikekayo, elomeleleyo, elincamisileyo ngamandla, elimazinyo makhulu esinyithi, lisidla, liyicola, liyinyathela ngeenyawo zalo into eseleyo; laye lingafani nawo onke amarhamncwa abengaphambili kwalo; lineempondo ezilishumi.

8Ndaziqiqa iimpondo, ndabona kunyuka phakathi kwazo olunye uphondo, luluncinane, ekwancothulwa phambi kwalo ezintathu kwezokuqala iimpondo. Nanko ke, kukho kolu phondo amehlo anjengamehlo omntu, nomlomo uthetha izinto ezinkulu kakhulu.

UNyangelemihla

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ndabona, zada zamiswa iitrone, wahlala uNyangelemihla; isambatho sakhe simhlophe njengekhephu, neenwele zentloko yakhe zinjengoboya bezimvu obunyulu, itrone yakhe ingamalangatye, iivili zayo ngumlilo olenyayo.

10Kwaphuma umlambo womlilo phambi kwakhe, amawaka amawaka ayelungiselela kuye, nezigidi zezigidi bezimisa phambi kwakhe; abagwebi bahlala phantsi, iincwadi zavulwa.

11Ndabona; ndaza ngenxa yesandi samazwi amakhulu kakhulu olwawathethayo uphondo, ndabona, lada labulawa irhamncwa, wabhujiswa umzimba walo, wanikelwa emlilweni úvutha.

12Amanye ke amarhamncwa ahlùthwa igunya lawo; noko ke bolulelwa ubomi okwethutyana nexeshana.

Unyana womntu

13Ndabona emibonweni yasebusuku: nanko kusiza, ngamafu ezulu, onjengonyana womntu, wafika kuNyangelemihla, wasondezwa phambi kwakhe.

14Wanikwa igunya, nobuhandiba, nobukumkani, ukuze zonke iintlanga, nezizwe, neelwimi, zimbuse; igunya lakhe ligunya elingunaphakade, elingapheliyo; ubukumkani bakhe bobungayi konakaliswa.

Ukutyhilwa kwephupha

15Umoya wam, mna Daniyeli, wazibhijabhija phakathi komzimba, nemibono yentloko yam yandikhwankqisa.

16Ndasondela komnye wababemi khona, ukuba ndicele kuye inyaniso ngezo zinto zonke; wathetha kum, ukuze andazise ukutyhilwa kwezinto.

17La marhamncwa makhulu kakhulu mané ngookumkani abané, abaya kusuka beme ehlabathini.

18Ke ubukumkani baya kubuthabatha abangcwele bOsenyangweni, babumé ubukumkani, kude kuse ephakadeni, kude kuse ephakadeni lamaphakade.

19Ndaza ndanga ndingáyazi inyaniso ngeli rhamncwa lesiné, elingafaniyo namanye onke, elincamisileyo ngokoyikeka, elimazinyo asisinyithi, elimathupha alubhedu, eladla, lacola, layinyathela ngeenyawo into eseleyo;

20nangeempondo ezilishumi ezibe zisentlokweni yalo, nangolunye olwavelayo, ezawa phambi kwalo ezintathu; olo phondo lùbe lunamehlo, nomlomo obe uthetha izinto ezinkulu kakhulu; ukubonakala kwalo bekukukhulu ngaphezu kwamadlelane alo.

21Ndabona ukulwa kolu phondo nabangcwele, lwabeyisa;

22wada weza uNyangelemihla, wabagwebela abangcwele bOsenyangweni, lafika ixesha lokuba abangcwele babumé ububukumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Watsho ukuthi, Irhamncwa lesiné ke: kuya kubakho ubukumkani besiné ehlabathini, obungafaniyo bona nezikumkani zonke, bulidle ihlabathi lonke, bulinyathele, bulicole.

24Iimpondo ezilishumi ke: kuya kusuka kume kobo bukumkani ookumkani abalishumi, kusuke omnye emva kwabo; lowo akayi kufana nabaphambili; uya kuthoba ookumkani abathathu,

25athethe amazwi okuchasana nOsenyangweni, abonákalise abangcwele bOsenyangweni, acamange ngokuwenza wambi amathuba nomthetho, banikelwe esandleni sakhe ixesha namaxesha nesiqingatha sexesha.

26Ke abagwebi baya kuhlala phantsi, balisuse igunya lakhe, ukuze litshabalale lidake, kude kuse ekupheleni.

27Ubukumkani, negunya, nobukhulu bezikumkani phantsi kwamazulu onke, buya kunikwa abantu abangcwele bOsenyangweni; ubukumkani bakhe bubukumkani obungunaphakade, namagunya onke aya kumbusa, amve.

28Yaza kuphela apha le nto. Mna Daniyeli, izicamango zam zandikhwankqisa kakhulu, Ibala lobuso bam laguquka ndayigcina le nto entliziyweni yam.

UDaniyeli 8

Umbono kaDaniyeli wenkunzi yegusha nowenkunzi yebhokhwe nowophondo

1Ngomnyaka wesithathu wokulawula kukaBheleshatsare ukumkani, kwabonakala kum, mna Daniyeli, umbono emva kwalowa wabonakalayo kum matanci.

2Ndabona embonweni, kwathi, ekuboneni kwam, ndaba ndiseShushan komkhulu, esezweni lakwaElam; ndabona embonweni, ndangasemlanjeni oyiUlayi.

3Ndaphakamisa amehlo am, ndabona, nanko kumi phambi komlambo inkunzi yegusha, ineempondo ezimbini. Ezi mpondo zombini zinde, olunye ke lulude kunolunye; olu lude lwavela mva.

4Ndayibona inkunzi yegusha ihlaba, ibhekisa entshonalanga, nasentla, nasezantsi; zonke izinto eziphilileyo azaba nakuma phambi kwayo, akwabakho unokuhlangula esandleni sayo. Yenza ngokukholekileyo kuyo, yakhula.

5Mna ke ndisaqonda, nanko kuvela inkunzi yebhokhwe entshonalanga, ihamba phezu kwehlabathi lonke, ingafiki phantsi; inkunzi ke yebhokhwe ibinophondo olubonakalayo phakathi kwamehlo ayo.

6Yaya yafika enkunzini yegusha, umnini-mpondo-mbini, endiyibone imi phambi komlambo, yagidimela kuyo ke ngobushushu bamandla ayo.

7Ndayibona ifika ecaleni lenkunzi yegusha, yayijamela, yayityhomfa inkunzi yegusha, yazaphula iimpondo zayo zombini. Yayingenamandla inkunzi yegusha ukuma phambi

© 1975 Bible Society of South Africa.

kwayo; yayingqula emhlabeni, yayinyhasha, akwabakho bani unokuyihlangula inkunzi yegusha emandleni ayo.

8Inkunzi yebhokhwe yakhula ngokuncamisileyo; ke, yakuba namandla, lwaphuka uphondo olukhulu; esikhundleni salo kwavela eziné ezibonakalayo, zabheka emimoyeni yominé yasezulwini.

9Kolunye kuzo kwaphuma uphondo luluncinane, lwaba lukhulu ngokuncamisileyo, lwabheka ngasezantsi, nangasempumalanga, nangasezweni eliligugu.

10Lwakhula lwada lwesa kumkhosi wezulu, lwayiwisa emhlabeni inxenye yomkhosi lowo weenkwenkwezi, lwayinyhasha.

11Lwazikhulisa, lwada lwesa kumthetheli-mkhosi lowo, lwasusa kuye inkonzo yamaxesha onke; nendawo yengcwele yakhe yawiswa phantsi.

12Umkhosi unikelwe kulo, kunye nenkonzo yamaxesha onke, ngenxa yesikreqo; inyaniso lwayiwisela phantsi emhlabeni, lwenza lwaba nempumelelo.

13Ndamva ongcwele ethetha; wathi ke omnye ongcwele kulowo ubethetha, Ngowomzuzu ongakanani na umbono lowo wenkonzoyamaxesha onke, nowesikreqo esiphanzisayo, ukunikelwa oko kwengcwele nomkhosi lowo ekunyhashweni?

14Wathi kum, Koda kube kukuhlwa, kusisa, okungamawaka amabini anamakhulu amathathu; yandule ukulungiswa ingcwele.

UGabriyeli utyhila umbono

15Kwathi, ndakuwubona umbono, mna Daniyeli, ndafuna ukuqonda; nanko kumi phambi kwam okungathi kuyimbonakalo yendoda.

16Ndeva ilizwi lomntu phakathi kweenxweme zeUlayi, labiza lathi, Gabriyeli, mqondise imbonakalo.

17Weza kweli cala ndimi kulo. Akuza ndóyika, ndawa ngobuso; wathi kum, Qonda, nyana womntu; ngokuba umbono lo usingise kwixesha lokuphela.

18Ke kaloku, ekuthetheni kwakhe nam, ndawa isiduli ngobuso emhlabeni; wandichukumisa, wandimisa endaweni yokuma kwam.

19Wathi, Yabona, ndiya kwazisa okuya kubakho ekupheleni kobhavumo; ngokuba umbonouya kwixesha elimisiweyo lokuphela.

20Inkunzi yegusha oyibonileyo ineempondo ezimbini, ngokumkani bamaMedi nabamaPersi;

21nenkunzi yebhokhwe exhonti ngukumkani wakwaYavan; uphondo olukhulu oluphakathi kwamehlo ngukumkani wokuqala.

22Ukwaphuka oku, kumè zibe né esikhundleni salo, kukuthi, kuya kusuka kume izikumkani eziné eluhlangeni, kungabi ngamandla alo ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Ekupheleni kobukumkani babo, bakubon' ukuba bazalisile abakreqi, kuya kusuka
kume ukumkani, obuso bungwanyalala, obaziyo ubuqhetseba;

24omelele amandla akhe, kodwa kungabi ngamandla akhe; ke úya konakalisa
ngokubalulekileyo, abe nempumelelo, afeze, abatshabalalise abomeleleyo nabantu
babangcwele.

25Ngenxa yobuqhokolo bakhe, yoba nempumelelo inkohliso ngesandla sakhe, azenze
mkhulu entliziyweni yakhe, abatshabalalise abaninzi ngokwalama, asukele phezulu
kumthetheli wabathetheli, aphulwe, ke kungabi ngasandla.

26Umbono wokuhlwa kusisa okhankanyiweyo uyinyaniso. Wena ke, uze uwuvalele
umbono; ngokuba úya kwimihla emininzi.

27Mna Daniyeli ndaphela, ndaneentsuku ndisifa; ndavuka, ndayenza imicimbi
yokumkani. Ndamangaliswa yimbonakalo leyo; kwakungekho uyiqondayo.

UDaniyeli 9

UDaniyeli uthandazela abantu bakowabo evuma izono zabo

1Ngomnyaka wokuqala kaDariyo unyana ka-Ahaswerosi, wasembewini yamaMedi,
owaba ngukumkani phezu kobukumkani bamaKaledi,

2ngomnyaka wokuqala wobukumkani bakhe, mna, Daniyeli, ndaqonda ngazo
iincwadi inani leminyaka, elafikayo ngayo ilizwi likaYehova kuYeremiya umprofeti,
ukuba kuzalìswe iminyaka emashumi asixhenxe ngokusingisele kumanxuwa
eYerusalem.

3Ndabubhekisa ubuso bam kwiNkosi yam uThixo, ukuba ndifune imithandazo
nezitarhuziso, ndizila ukudla, ndinezirhwexayo nothuthu.

4Ndathandaza ke kuYehova uThixo wam, ndavuma ndathi, Awu! Nkosi, Thixo
omkhulu owoyikekayo, obagcinela umnqophiso nenceba abo bamthandayo,
bayigcinayo imithetho yakhe,

5sònile, senzé ngobugwenxa, senzé okungendawo; sigwilikile, siphambukile
emithethweni yakho, nasemasikweni akho.

6Asibaphulaphulanga abakhonzi bakho, abaprofeti ababethetha egameni lakho
kookumkani bethu, nakubathetheli bethu, nakoobawo, nakubo bonke abantu
belizwe.

7Nkosi, bukuwe ubulungisa; kúthi kukudana kobuso, njengoko kunjalo namhla,
kumadoda akwaYuda, kubemi baseYerusalem, kumaSirayeli onke, akufuphi nakude,
emazweni onke, apho wawagxothela khona ngenxa yobumenemene bawo,
awamenezayo ngabo kuwe.

8Nkosi, kúthi kukudana kobuso, kookumkani bethu, nakubathetheli bethu,
nakoobawo; ngokuba sonile kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9ENkosini uThixo wethu yimfesane, noxolelo, kuba sigwilikile kuye.

10Asiliphulaphulanga ilizwi likaYehova uThixo wethu, ukuba sihambe ngemiyalelo yakhe, abeyibeke phambi kwethu ngabakhonzi bakhe, abaprofeti.

11Onke amaSirayeli awugqithile umyalelo wakho; atyekile ukuba angaliphulaphuli izwi lakho. Siphalazekile ke phezu kwethu isiqalekiso nesifungo, esibhaliweyo emyalelweni kaMoses umkhonzi kaThixo; kuba sònile kuye.

12Wáwamisa ke amazwi akhe, abewathethile ngathi, nangabagwebi bethu ababesigweba, ngokusizisela ububi obukhulu, obungenziwanga phantsi kwezulu lonke, njengoko benziweyo kwiYerusalem.

13Njengoko kubhaliweyo emyalelweni kaMoses, bonke ububi busizèle. Ke asimbongozanga uYehova uThixo wethu, ukuba sibuye ebugwenxeni bethu, sibe ngabanokuqiqa ngenyaniso yakho.

14Wabuphaphela ke uYehova ububi, wasizisela bona; kuba uYehova uThixo wethu elungisa ekwenzeni kwakhe konke akwenzayo; ke asiliphulaphulanga ilizwi lakhe.

15Kaloku ke, Nkosi Thixo wethu, owabakhuphayo abantu bakho ezweni laseYiputa ngesandla esithe nkqi, wazenzela igama, njengoko kunjalo namhla, sonile, senzé okungendawo.

16Nkosi, ngokwemisebenzi yakho yonke yobulungisa, mawukhe ubuye umsindo wakho, nobushushu bakho, kumzi wakho iYerusalem, kwintaba yakho engcwele; kuba, ngezono zethu nangobugwenxa boobawo, iYerusalem nabantu bakho basisingcikivo kuba bonke abasijikelezileyo.

17Kaloku ke, Thixo wethu, kuphulaphule ukuthandaza komkhonzi wakho, nokutarhuzisa kwakhe, ubukhanyise ubuso bakho phezu kwengcwele yakho elinxuwa, ngenxa yeNkosi.

18Thoba indlebe yakho, uve. Vula amehlo akho, ubone ukuphanza kwethu, nomzi lowo ubizwa ngegama lakho. Ngokuba akungangenxa yemisebenzi yethu yobulungisa esiwisa ukutarhuzisa kwethu phambi kwakho; kungenxa yeemfesane zakho ezininzi.

19Nkosi, yiva; Nkosi, xolela; Nkosi, baza iindlebe, wenze. Ngenxa yakho, Thixo wam, musa ukulibala; kuba umzi wakho nabantu bakho babizwa ngegama lakho.

UGabriyeli uzisa impendulo

20Ndathi ndisathetha, ndithandaza, ndivuma isono sam, nesono sabantu bakowethu amaSirayeli, ndiwisa ukutarhuzisa kwam phambi koYehova uThixo wam, ngenxa yentaba engcwele yoThixo wam:

21ndisathetha ke ngokuthandaza, indoda enguGabriyeli, leyo ndayibonayo embonweni ekuqaleni, ndityhafile nokutyhafa, yasondela kum ngexesha lomnikelo wangokuhlwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Yandiqondisa, yathetha nam, yathi, Daniyeli, ngoku ndiphumile ukuba ndikufundise, uqonde.

23Kwaphuma ilizwi ekuqaleni kokutarhuzisa kwakho; mna ndizé kulixela kuwe, ngokuba ungonqwenelekayo. Liqonde ke ilizwi, uqonde umbono.

24Bamisélwe iiveki ezimashumi asixhenxe abantu bakowenu, nomzi wakowenu ongcwele, ukuba sithintelwe isikreqo, zitywinwe izono, bucanyagushelwe ubugwenxa, kuziswe ubulungisa obungunaphakade, utywinwe umbono nomprofeti, ithanjiswe ingcwele kangcwele.

25Yázi ke uqiqe ukuba, kuthabathela ekuphumeni kweli zwi lokuba ibuyiswe yakhiwe iYerusalem, kuse kumthanjiswa oyingànga, ziiveki ezisixhenxe; ziiveki ezimashumi mathandathu anambini, eya kubuyiswa yakhiwe ibe banzi, icandwe, ekucuthekeni ke kwamaxesha.

26Emveni ke kweeveki ezimashumi mathandathu anambini, úya kunqunyulwa umthanjiswa, angabi saba nanto. Umzi nengcwele úya kutshatyalaliswa ngabantu bengànga eya kuza; ukuphela kwayo kuya kuba ngomkhukula. Kude ke kuse ekupheleni, kuya kuba yimfazwe, luphanziso olumiswe lwagqitywa.

27Abaninzi yobaqinisela umnqophiso iveki enye; ngesiqingatha seveki iphelise imibingelelo neminikelo yokudla; ize ngamaphiko ezinto ezinezothe ingumphanzisi; side ke siphalazeke isiphelo, sisesimisiweyo sagqitywa, phezu kwayo impanziso.

UDaniyeli 10

UDaniyeli ubona umbono wendoda

1Ngomnyaka wesithathu kaKoreshi ukumkani wamaPersi, watyhilelwa ilizwi uDaniyeli, ogama libizwa ngokuba nguBheletshatsare. Elo zwi liyinyaniso, lisingisele eluzengezengeni ke olukhulu; waliqonda elo lizwi, waba nokuwuqonda umbono.

2Ngayo loo mihla mna, Daniyeli, bendisenza isijwili iintsuku zonke zeeveki ezintathu.

3Àndidlanga sonka sinencasa, akungenanga nyama nawayini emlonyeni wam, andizithambisanga, zada zazaliseka iintsuku zonke zeeveki ezintathu.

4Ngomhla wamashumi amabini anané wenyanga yokuqala, mna ndaba secaleni lomlambo omkhulu oyiHidekele.

5Ndawaphakamisa amehlo am, ndabona: nantso indoda yambethe ilinen emhlophe, ibhinqe esinqeni sayo igolide ecikizekileyo yaseUfazi.

6Umzimba wayo wawunjengekrizolite, ubuso bayo ngathi ngumbane, ukubonakala kwabo; amehlo ayo enjengezikhuni ezitshangatshangiswayo; iingalo zayo neenyawo zayo zibonakala ngathi lubhedu olubengezelisiweyo; nesandi samazwi ayo ngathi sisandi sengxokolo yabantu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Mna, Daniyeli, ndawubona ndedwa umbono lowo; amadoda abenam akawubonanga umbono; kodwa awelwa kukugubha okukhulu, abaleka azimela.

8Mna ndasala ndedwa, ndayibona le mbonakalo inkulu, ndaphelelwa ngamandla, nebala lobuso bam lasuka lajika, lonakala kum, ndaphelelwa ngamandla.

9Ndasiva isandi samazwi ayo; ndakusiva ke isandi samazwi ayo, ndawa mna, ndawa isiduli ngobuso, ubuso bam bubheke emhlabeni.

Indoda iyamkhuthaza uDaniyeli

10Ndeva naso isandla sindichukumisa, sandimisa ngamadolo am nangeentende zezandla zam ezihexayo.

11Yathi kum, Daniyeli, ndoda inqwenelekayo, waqonde amazwi endiwathetha kuwe, ume endaweni yokuma kwakho; kuba ndithunyiwe ngokunje kuwe. Ithe yakulithetha kum elo lizwi, ndesuka ndema ndithuthumela.

12Yathi kum, Musa ukoyika, Daniyeli, kuba kususela kumhla wokuqala, owayinikelayo intliziyo yakho ekuqondeni nasekuzithobeni phambi koThixo wakho, aviwa amazwi akho, mna ke ndize ngenxa yamazwi akho.

13Ke umthetheli wobukumkani bamaPersi wamelana nam imihla engamashumi amabini anamanye; uyabona, uMikayeli, omnye wakubathetheli abaziintloko, weza kundinceda; mna ndamoyisa khona, kookumkani bamaPersi.

14Ndize kukuqondisa ke okuya kubahlela abantu bakowenu ekupheleni kwemihla; kuba umbono lo usengowemihla leyo.

15Ithe ekuthetheni kwayo nam ngokwala mazwi, ndabubhekisa ubuso bam emhlabeni, ndasisidenge.

16Nanko ofana noonyana babantu, echukumisa umlomo wam. Ndawuvula umlomo wam, ndathetha, ndathi kulo umi phambi kwam, Nkosi yam, ngenxa yembonakalo indifikele inimba yam, ndaphelelwa ngamandla.

17Angáthini na ke ukuba nako umkhonzi wenkosi yam le, ukuthetha nenkosi yam le? Mna okwam àndisenamandla, akusekho mphefumlo kum.

18Waphinda wandichukumisa onjengomntu, ukubonakala kwakhe, wandomeleza.

19Wathi, Musa ukoyika, ndoda inqwenelekayo, yiba noxolo; yomelela, yomelela. Úthe ekuthetheni kwakhe nam ndomelezeka, ndathi, Mayithethe inkosi yam, kuba ùndomelezile.

20Wathi, Úyazi na into endizé ngayo kuwe? Ngoku ke ndiya kubuya ndiye kulwa nomthetheli wamaPersi; ndiphuma nje, nanko umthetheli wakwaYavan esiza.

21Noko ke ndiya kukuxelela okubhaliweyo esibhalweni senyaniso. Akukho namnye womelezana nam ngakwabo, ngaphandle kukaMikayeli, umthetheli wenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UDaniyeli 11

Iimbambano zixelwa kwangaphambili phakathi kwamaPersi namaGrike

1Nam ke, ngomnyaka wokuqala kaDariyo umMedi, ndema ukuba ndimomeleze
ndimhlanganisele.

2Ngoku ke ndiya kukuxelela inyaniso. Yabona, kusaza kusuka kume ookumkani
abathathu kumaPersi, nowesiné uya kutyeba ngobutyebi obukhulu kunabo bonke;
athi, xa omeleleyo ngobutyebi bakhe, abaxhokonxe bonke, baye kulwa nobukumkani
bakwaYavan.

3Kosuka kume ukumkani oligorha alawule ngolawulo olukhulu, enze ngokukholeka
kuye.

4Buya kuthi, xa athe wesuka wema, buqhekezwe ubukumkani bakhe, bahlulelwe
emimoyeni yominé yasezulwini, bungabi bobempunde yakhe, bungabi njengolawulo
lwakhe abelawula ngalo; kuba buya kunyothulwa ubukumkani bakhe, bube
bobabambi, bungabi bobayo.

Iimvumelwano neembambano phakathi kwabangasentla nabangasezantsi

5Ke úya komelela ukumkani wasezantsi; omnye kubathetheli bakhe omelele
ngaphezu kwakhe, alawule; lube lulawulo olukhulu ulawulo lwakhe.

6Bodibana ekupheleni kweminyaka; ithi intombi yokumkani wasezantsi ingene
kukumkani wasentla, ukuba balungisane. Ke iya kuwa ingalo yayo; angemi yena,
nengalo yakhe iwe; inikelwe yona, nababeyingenisile, nowayizalayo,
nowayomelezayo ngaloo maxesha.

7Kophuma ke ehlumelweni leengcambu zayo omnye osendaweni yakhe; aye empini,
aye ezinqabeni zokumkani wasentla, azenze ngendawo, eyise.

8Wothimba, azisé eYiputa noothixo babo, kunye nemifanekiso yabo etyhidiweyo,
kunye neempahla zabo ezinqwenelekayo, isilivere negolide; amise yena iminyaka
phambi kokumkani wasentla.

9Wongena ebukumkanini bokumkani wasezantsi, abuyele emhlabeni wakhe.

10Oonyana bakhe baya kuxhoba, bahlanganise imfidi yeempi ezininzi, ize nokuza,
ikhukule, idlule, ibuye; balwe, bade base enqabeni yakhe.

11Wocaphuka ukumkani wasezantsi, aphume alwe naye, nokumkani wasentla lowo;
yena ke amise imfidi enkulu, ke imfidi leyo inikelwe esandleni sakhe.

12Yothi imfidi yakusuka iziphakamise, awise amawakawaka angamashumi; ke
angeyisi noko.

13Wobuya ukumkani wasentla, amise imfidi enkulu ngaphezu kweyokuqala, eze
nokuza ekupheleni kwamaxesha eminyaka, enempi enkulu neempahla ezininzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ngaloo maxesha kuya kusukela phezulu abaninzi ngakukumkani wasezantsi;
baziphakamise oonyana abangamanyangaza abantu bakowenu, ukuba bawumise
umbono; bakhubeke.

15Wofika ukumkani wasentla, afumbe udonga lokungqinga, ayithimbe imizi
enqatyisiweyo; iingalo zasezantsi zingamisi, nabantu bakhe abahleliweyo bangabi
namandla okuma.

16Ofikayo khona uya kwenza ngokuthanda kwakhe, kungabikho umisayo phambi
kwakhe, amise yena ezweni eliligugu, atshabalalise ngesandla sakhe.

17Wobubhekisa ubuso bakhe ekuthini eze enokuqina kobukumkani bakhe bonke,
ecinga ukulungisa; enze ke; amnike intombi yabafazi, ukuze ayonakalise. Ke ayiyi
kuma, ayiyi kuba lutho kuye.

18Uya kujika, abhekise eziqithini, azithimbe ezininzi, aphelise abaphathi, kuthi cwaka
ukungcikiva kwabo kubo; ke ukungcikiva kwakhe baya kukubuyisela kuye.

19Wojika, abhekise ezinqabeni zelizwe lakhe, akhubeke, awe, angafunyanwa.

20Endaweni yakhe kuya kusuka kume ocandisa abaqhubi babantu ebungangamsheni
bobukumkani; ngeentsuku ezimbalwa aphulwe, kungabi ngamisindo, kungabi
ngamfazwe.

21Endaweni yakhe kuya kusuka kume odelekileyo, ongayi kunikwa ndili
yabukumkani; eze ngokwalama, abuhlasele ubukumkani ngokunyhwalaza.

22Iingalo ezikhukulayo ziya kukhukuliswa, zimke ebusweni bakhe, zaphulwe,
kwanengànga yomnqophiso.

23Wothi, kuseloko akukhova ukuthelela kuzo, enze ngenkohliso, anyuke, azuze
namandla ngohlanga olungephi.

24Uya kungena ngokwalama nasezindaweni ezityebileyo zelizwe, enze
abangakwenzanga ooyise, nooyise booyise. Uya kukwenza amachithi phakathi kwabo
okuphangiweyo, namaxhoba, neempahla zazo, acinge iingcinga zakhe ngeenqaba
okwexeshana.

25Woxhokonxela amandla akhe nentliziyo yakhe kukumkani wasezantsi, enempi
enkulu. Ukumkani wasezantsi uya kuxhobela imfazwe, enempi enkulu, encamise
ngamandla; ke akayi kuma, kuba baya kwenza iyelenqe ngaye.

26Abadla umamkeliso wakhe bomaphula, ikhukule impi yakhe, bawe ababuleweyo
babe baninzi.

27OoKumkani abo babini, iintliziyo zabo ziya kutsalela ekwenzeni ububi, bathethe
amanga sithebeni sinye. Akuyi kuba nampumelelo, kuba isiphelo sisaya exesheni
elimisiweyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Wobuyela ke ezweni lakhe enempahla eninzi, intliziyo yakhe iwuchàse umnqophiso ongcwele, afeze, abuyele ke ezweni lakhe.

29Ngexesha elimisiweyo uya kubuya aye ngasezantsi; ekupheleni kungabi njengoko bekunjalo ekuqaleni.

30Ziya kuza kuye iinqanawa zamaKiti; uya kukhohlwa, abuye, awubhavumele umnqophiso ongcwele, afeze, abuye, abaqonde abashiya umnqophiso ongcwele.

31Iingalo zakwakhe zosuka zime, ziyihlambele ingcwele, kwainqaba, zisuse inkonzo yamaxesha onke, zimise izinto ezinezothe, eziphanzisayo.

32Abaphatha umnqophiso ngokungendawo wobahlambela ngamazwi agudileyo, ke bona abantu abamaziyo uThixo wabo babambelele kuwo, bafeze.

33Abanengqiqo ebantwini boluqondisa uninzi, ukanti baya kukhubeka, bawe likrele nalilangatye, kukuthinjwa nakukuphangwa, kube ziintsuku.

34Ekukhubekeni kwabo, baya kuncedwa ngoncedo oluncinane, bathelele kubo abaninzi, benyhwalaza.

35Yokhubeka inxenye yabanengqiqo, ukuze bacikidwe phakathi kwabo, bahlanjululwe, kwenziwe mhlophe, kude kube lixesha lokuphela; kuba kusaya kuba ngokwexesha elimisiweyo.

36Ukumkani uya kwenza ngokukholeka kuye, azinyuse, azikhulise ngaphezu koothixo bonke, athethe amazwi abalulekileyo ngoThixo woothixo, abe nempumelelo, lude luphele ubhavumo; ngokuba kuyenzeka okumisiweyo, kwagqitywa.

37Akayi kubaqonda oothixo booyise, nokunqwenelekayo kubafazi, nothixo onguwumbi angamqondi, kuba uya kuzikhulisa ngaphezu kwabo bonke.

38Endaweni yabo wozukisa uthixo weenqaba, uthixo ababengamazi ooyise; amzukise ngegolide, nangesilivere, nangamatye anqabileyo, nangezinto ezinqwenelekayo.

39Wokwenzela oku iinqaba ezinqatyisiweyo ngothixo wolunye uhlanga; lo umbukayo, uya kumandisela uzuko, amphathise abaninzi, amàbele umhlaba ngokumvuza.

40Ngexesha lokuphela uya kuhlabana nokumkani wasezantsi; ukumkani wasentla adlongozele aye kuye, eneenqwelo zokulwa, nabamahashe, neenqanawa ezininzi; awangenele amazwe, akhukule, adlule.

41Wongena ezweni eliligugu, bakhubeke abaninzi; ke aba baya kusinda esandleni sakhe: ooEdom, noMowabhi, nentlahlela yoonyana baka-Amon.

42Uya kusolula isandla sakhe emazweni la, nelizwe laseYiputa aliyi kusinda.

43Woba ngumphathi wobutyebi begolide nobesilivere, nobezinto zonke ezinqwenelekayo zaseYiputa; omlandela amaLibhi namaKushi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

44Ziya kumkhwankqisa iindaba ezivela empumalanga nasentla, aphume enobushushu obukhulu, ukuze abatshabalalise, abasingele phantsi abaninzi.

45Wozitwabulula iintente zebhotwe lakhe phakathi kweelwandle, ngasentabeni engcwele eligugu, afike ke ekupheleni kwakhe, kungabikho umncedayo.

UDaniyeli 12

UMikayeli umhlanguli

1Ngelo xesha uya kusuka eme uMikayeli, umthetheli omkhulu, omela oonyana babantu bakowenu. Kuya kubakho ixesha lembandezelo elingazanga libekho elinjalo, kususela koko lwabakhoyo uhlanga, kude kube nangelo xesha. Ngelo xesha baya kusinda abantu bakowenu, bonke abafunyenwe bebhaliwe encwadini.

2Kuya kuvuka abaninzi kwabaleleyo eluthulini lomhlaba, aba baye ebomini obungunaphakade, naba baye kwingcikivo nakwinyumnyezi engunaphakade.

3Abo ke banengqiqo baya kukhazimla njengokukhazimla kwesibhakabhaka; nababajikela abaninzi ebulungiseni bakhazimle njengeenkwenkwezi ngonaphakade kanaphakade.

4Wena ke, Daniyeli, wavalele amazwi la, uyitywine incwadi, kude kube lixesha lokuphela. Baninzi abaya kuyiphengulula, kwandiswe ukwazi.

Ixesha lesiphelo

5Mna, Daniyeli, ndabona: nabo abanye ababini bemi, omnye nganeno ngaseludinini lomlambo, omnye ngaphesheya ngaseludinini lomlambo.

6Wathi omnye kwindoda leyo yambethe ilinen emhlophe, ebiphezu kwamanzi omlambo, Koda kube nini na, ukuphela kwezi zinto zibalulekileyo?

7Ndeva indoda eyambethe ilinen emhlophe, ebiphezu kwamanzi omlambo, yasiphakamisela ezulwini isandla sayo sokunene nesokhohlo sayo, yafunga ohleli ngonaphakade, isithi, Kuya kusa exesheni, emaxesheni amabini amisiweyo, nasesiqingatheni sexesha; kwakupheliswa ukuhlekezwa kwamandla abantu abangcwele, ziya kupheliswa zonke ezo zinto.

8Mna ke ndeva, àndaqonda; ndathi, Nkosi yam, yiyiphi na eyokuphela kwezi zinto?

9Yathi, Hamba, Daniyeli, kuba amazwi aya kuvalelwa, atywinwe kude kube lixesha lokuphela.

10Abaninzi baya kuzenza nyulu, bazenze mhlophe, banyibilikiswe; ke abangendawo baya kwenza okungendawo. Abangendawo bonke abayi kukuqonda oko, kodwa abanengqiqo baya kukuqonda.

11Kususela kwelo xesha kwasuswayo inkonzo yamaxesha onke, ukuze zimiswe izinto ezinezothe eziphanzisayo, ziintsuku eziliwaka, elinamakhulu amabini, anamanci asithoba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Únoyolo olinde wafika kwiintsuku eziliwaka, elinamakhulu amathathu, anamanci mathathu anesihlanu.

13Wena ke, hamba uye ekupheleni. Ùya kuphumla, uvuke, uye eqashisweni lakho ekupheleni kwemihla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHoseya

UHoseya 1

Umtshato kaHoseya ngumzekeliso wokwalamana kukaYehova noSirayeli

1 Ilizwi likaYehova elafika kuHoseya unyana kaBheri, ngemihla kaUziya, kaYotam, ka-
Ahazi, kaHezekiya, ookumkani bakwaYuda; ngemihla kaYarobheham unyana
kaYowashe, ukumkani wakwaSirayeli.

2 Ukuqala kokuthetha kukaYehova noHoseya, wathi uYehova kuHoseya, Yiya uzeke
umfazi wobuhenyu nabantwana bobuhenyu; ngokuba ilizwe lihenyuzé kakhulu,
lemka kuYehova.

3 Waya ke, wazeka uGomere intombi kaDibhelayim; wakhawula, wamzalela unyana.

4 UYehova wathi kuye, Mthiye igama lokuba nguYizereli; ngokuba kusaya kuba
ngumzuzwana, ndiwavelele amagazi akwaYizereli kwindlu kaYehu, ndibuphelise
ubukumkani bendlu kaSirayeli.

5 Kuya kuthi ngaloo mini ndisaphule isaphetha sakwaSirayeli entilini yaseYizereli.

6 Waphinda wakhawula, wazala intombi. Wathi uYehova kuye, Yithiye igama lokuba
nguAkenzelwanga-mfesane; ngokuba andiyi kuba saphinda ndiyenzele mfesane indlu
kaSirayeli, ndingàbaxoleli nokubaxolela.

7 Ndiya kuyenzela imfesane ke indlu kaYuda, ndibasindise ngoYehova uThixo wabo,
ndingabasindisi ngasaphetha, nangakrele, nangamfazwe, ngamahashe,
nangabamahashe.

8 Akumlumla ke uAkenzelwanga-mfesane, wakhawula wazala unyana.

9 Wathi uYehova, Mthiye igama lokuba nguAsibantu-bam; ngokuba àningabantu bam,
nam andiyi kuba ngowenu.

Idinga lokubuyiselwa

10 Ke inani loonyana bakaSirayeli liya kuba ngangentlabathi yaselwandle,
engàlinganiswayo, engàbalwayo; kuthi endaweni yokuba kuthiwe kubo, Aningabantu
bam, kusuke kuthiwe kubo, Ningoonyana bakaThixo ophilileyo.

11 Bohlanganisana ndawonye oonyana bakaYuda noonyana bakaSirayeli, bazimisele
intloko ibe nye, banyuke baphume kwelo zwe; kuba iya kuba nkulu imini yaseYizereli.

UHoseya 2

1 Yithini kubazalwana benu, Wenani, bantu bam! níthi koodade benu, Wa, Menzelwa-
mfesane!

Ukunganyaniseki kukaSirayeli kuYehova

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Bambanani nonyoko, bambanani naye; kuba àkamfazi wam, àndindoda yakhe. Nize
nitsho asuse ubuhenyu bakhe ebusweni bakhe, nokukrexeza kwakhe phakathi
kwamabele akhe;

3hleze ndimhlube abe zé, ndimmise enjengamini wazalwa, ndimenze abe
njengentlango, ndimmise abe njengelizwe elingumqwebedu, ndimbulale ngenxano;

4ndingàsikwa mfesane ngenxa yabantwana bakhe; kuba bengabantwana bobuhenyu
bona.

5Kuba unina uhenyuzile, wenzé okuziintloni umzali wabo; ngokuba wathi, Ndiya
kulandela izithandane zam, ezindinika isonka sam, namanzi am, uboya bam begusha
neflakisi yam, ioli yam nento endiyiselayo.

6Ngako oko, yabona, ndiya kuyibiyela indlela yakho ngameva, ndakhe udonga,
angawufumani umendo wakhe.

7Úya kuzisukela izithandane zakhe, angafiki kuzo; azifune, angazifumani; athi Ndiya
kuya ndibuyele endodeni yam yokuqala, kuba bekulungile kum oko kunangoku.

8Àkazi ukuba ndim owamnikayo ingqolowa, newayini entsha, neoli; ndamandisela
isilivere negolide, abasuka bayenzela uBhahali.

Ukunganyaniseki kukaSirayeli kuza kohlwaywa

9Ngako oko ndiya kubuya, ndiyithabathe ingqolowa yam ngexesha layo, newayini
yam entsha ngexesha layo elimisiweyo; ndibuhluthe uboya beegusha, neflakisi yam
yokugubungela ubuzé bakhe.

10Ngoku ke ndowatyhila amanye akhe emehlweni ezithandane zakhe, kungabikho
bani umhlangulayo esandleni sam.

11Ndoluphelisa lonke uvuyo lwakhe, umthendeleko wakhe, nokuthwasa kwenyanga
kuye, neesabatha zakhe, namaxesha akhe onke amisiweyo.

12Ndiya kuyibharhisa imidiliya yakhe, nemikhiwane yakhe, abesithi yena, Lutshedo
lwam olu, endalunikwayo zizithandane zam; ndoyenza ibe lihlathi, idliwe
ziinyamakazi zasendle.

13Ndomvelela ngenxa yemihla yooBhahali, abeqhumisela ngayo kubo; abezihombisa
ngamagabha akhe empumlo, nesambalo sakhe; abelandela izithandane zakhe,
andilibale mna; utsho uYehova.

UYehova uya kubuya amgane uSirayeli

14Ngako oko, yabona, ndiya kumrhwebesha, ndimse entlango, ndithethe kakuhle
naye.

15Ndomnika izidiliya zakhe, zithabathele khona, nentili yeAkore ibe lisango lethemba,
aphendule khona njengeemini zobuncinane bakhe, nanjengemini yokunyuka
kwakhe, ephuma ezweni laseYiputa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Kuya kuthi ngaloo mini, utsho uYehova, undibize ngokuthi, Ndoda yam; ungabi
sandibiza ngokuthi, Bhahali wam.

17Ngokuba ndiya kuwasusa amagama ooBhahali emlonyeni wakhe, bangabi
sakhunjulwa ngamagama abo.

18Ngaloo mini ndobenzela umnqophiso namarhamncwa asendle, neentaka zezulu,
nezinambuzane zomhlaba; ndaphule isaphetha nekrele nemfazwe, ezo zinto
zingabikho ezweni; ndibahlalise bekholosile.

19Ndokugana ube ngowam ngonaphakade, ndikugane ube ngowam ngobulungisa
nangokusesikweni, nangenceba nangemfesane;

20ndikugane ube ngowam ngokuthembeka, umàzi uYehova.

21Kuya kuthi ngaloo mini, ndiphendule, utsho uYehova; ndiya kuliphendula izulu,
lona liphendule ihlabathi;

22ihlabathi liphendule ingqolowa, newayini entsha, neoli; ezo zinto ziphendule
uYizereli.

23Ndozihlwayelela yena elizweni, ndimenzele imfesane uAkenzelwanga-mfesane;
ndithi kuAsibantubam, Ùngabantu bam; aze athi kum, ÙnguThixo wam.

UHoseya 3

UHoseya uyaphinda atshate

1Wathi uYehova kum, Phinda, uye uthande umfazi, ethandwa nguwabo, ekrexeza;
njengoko uYehova abathandayo oonyana bakaSirayeli, bebheka thixweni bambi nje,
bethanda izicumba zeerasintyisi.

2Ndamthenga wangowam ngeshumi elinesihlanu lesilivere, nehomere yerhasi,
neleteke yerhasi.

3Ndathi kuye, Uze uhlalele mna imihla emininzi, ungahenyuzi, ungabi wandoda
yimbi; nam ndenjènjalo kuwe.

4Ngokuba oonyana bakaSirayeli baya kuhlala imihla emininzi bengenakumkani,
bengenamthetheli, bengenambingelelo, bengenasimiso samatye, bengenaefodi
namilonde-khaya.

5Emveni koko baya kubuya oonyana bakaSirayeli, bamquqele uYehova uThixo wabo,
noDavide ukumkani wabo; baye benkwantya kuYehova, nasekulungeni kwakhe
ekupheleni kwemihla.

UHoseya 4

Ukubambana kukaYehova noSirayeli

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Liveni ilizwi likaYehova, nyana bakaSirayeli; ngokuba uYehova ubambene nabemi belizwe eli; ngokuba kungekho nyaniso, kungekho nceba, kungekho kwazi uThixo kweli lizwe.

2Kukushwabula, nokuxoka, nokuncinitha, nokuba, nokukrexeza; bagqobhozile, igazi liphathelele kwigazi.

3Ngenxa yoko ilizwe lenza isijwili, zithokombisile zonke izinto ezimi kulo; izinto eziphilileyo zasendle, neentaka zezulu, kwaneentlanzi zolwandle, ziyasuswa.

4Kodwa makangabambani omnye nomnye, omnye makangamohlwayi omnye; abantu bakowenu banjengobambene nombingeleli.

5Wòkhubeka emini, umprofeti enawe akhubeke ebusuku, ndimtshabalalise unyoko.

6Bayatshabalala abantu bam kukuswela ukwazi; kuba wena ukucekisile ukwazi, ndiya kukucekisa, ukuba ungabi ngumbingeleli kum. Wawulibala umyalelo kaThixo wakho; ndobalibala abantwana bakho nam.

7Okukhona bandileyo, kokukhona bonileyo kum; uzuko lwabo ndiya kulwananisa ngocukucezo.

8Badla idini lesono labantu bam; umphefumlo wabo bawuphakamisela ebugwenxeni babo.

9Kuya kuthi, njengoko banjalo abantu, abe njalo umbingeleli; ndizivelele iindlela zakhe kuye, ndizibuyìsele kuye iintlondi zakhe.

10Bodla bangahluthi; bahenyuze bangàndi; ngokuba bekuyekile ukumphulaphula uYehova.

11Uhenyuzo, newayini, newayini entsha, ziwexula intliziyo.

12Abantu bam babùzisa kumthi wabo; nentonga yabo iyabaxelela; ngokuba umoya wobuhenyu ubalahlekisile; bahenyuzé bemka phantsi koThixo wabo.

13Babingelela ezincotsheni zeentaba, baqhumisele ezindulini phantsi kwemioki nemipopulari nemiterebhinti, kuba ulungile umthunzi wayo; ngenxa yoko ziyahenyuza iintombi zenu, bayakrexeza oomolokazana benu.

14Andiyi kuzivelela iintombi zenu, ngokokuba zihenyuza; noomolokazana benu, ngokokuba bekrexeza. Ngokuba nina ngokwenu nithi gu bucala namahenyukazi nibingelela namang'awukazi; ngoko ke abantu abangaqondiyo baya kukhahleleka phantsi.

15Ukuba ùyahenyuza, Sirayeli, makangazeki ityala uYuda; musani ukuya eGiligali, ningenyuki niye eBhetaven, ningafungi nithi, Ehleli nje uYehova.

16Kuba uSirayeli uyinjubaqa, njengethokazi eliyinjubaqa; ngoku uYehova uya kubalusela emphangaleleni, njengamatakane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17UEfrayim ubophene nezithixo; myekeni.

18Igabadelè imithayi yabo; bahenyuza behenyuzile; ziluthandé nzulu ucukucezo iingweletshetshe zabo.

19Umoya umbambile ngamaphiko awo; baya kudana yimibingelelo yabo.

UHoseya 5

Ababingeleli nabalawuli bonakalisa uSirayeli

1Kuveni oku, babingeleli, nibaze iindlebe, nina ndlu kaSirayeli; nani ndlu yokumkani, bekani iindlebe; ngokuba uzé kuni umgwebo lo; kuba nisuke naba ngumgibe eMizpa, naba ngumnatha otwatyululweyo phezu kweTabhore.

2Bangxokile ukonakalisa ekunxaxheni kwabo; ke ndiyintethiso kubo bonke bephela.

3Mna ndiyamazi uEfrayim, noSirayeli àkagushiwe kum; ngokuba ùhenyuzile ngoku, wena Efrayim, uSirayeli uzenzé inqambi.

4Izenzo zabo azivumi ukuba babuyele kuThixo wabo; kuba umoya wobuhenyu ukubo, àbamazi uYehova.

5Iqhayiya likaSirayeli liyangqina ebusweni bakhe; bokhubeka noSirayeli noEfrayim ngobugwenxa babo; wokhubeka nabo kwanoYuda.

6Baya kuya kumfuna uYehova, benempahla yabo emfutshane neenkomo zabo, bangamfumani; urhoxile kubo.

7Bánginiza kuYehova, kuba bezele oonyana abangengabo; ngoku ke ukuthwasa kwenyanga kuyabadla, kunye nezahlulo zabo zomhlaba.

8Vuthelani izigodlo eGibheha, nexilongo eRama; wuhlabeni eBhetaven, nithi, Emva kwakho, Bhenjamin.

9Kuya kuba senkangala kwelakwaEfrayim ngemini yokohlwaya; ezizweni zakwaSirayeli ndisazisile isimakade sesibetho.

10Abathetheli bakwaYuda basuka baba njengabashenxisi bomda; ngoko ke ndophalaza phezu kwabo ubushushu bam njengamanzi.

11UEfrayim uyacudiswa, uyavikiveka ngumgwebo; kuba usuke wavuma ukulandela umthetho wabo.

12Mna ndinjengenundu kwaEfrayim, ndinjengombungu kwindlu kaYuda.

13Xa wasibonayo uEfrayim isifo sakhe, uYuda walibona inxeba lakhe; uEfrayim wesuka waya eAsiriya, wathumela kukumkani uYarebhi. Akaba nako ukuniphilisa, akaba nako ukuninceda kwinxeba lenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ngokuba ndinjengengonyama kwaEfrayim, ndinjengengonyama entsha kwindlu kaYuda mna; mna ndiyaqwenga ndimke, ndithimbe, kungabikho mhlanguli.

Ukuvuma isono nokuguquka kukaSirayeli

15Ndiya kuhamba ndibuyele endaweni yam, bade beve benetyala, babufune ubuso bam. Ekubandezelekeni kwabo baya kundifuna benyamekile; bathi:

UHoseya 6

1Yizani sibuyele kuYehova; kuba eqwengile, wosiphilsa; uxabele, wosibopha.

2Wosidlisa ubomi, kwakuba ntsuku mbini; wosiphakamisa ngolwesithathu, sidle ubomi phambi kwakhe.

3Masikwazi ke, masikusukele ukumazi uYehova; ukuphuma kwakhe kuqinisekile njengokuphuma kwesifingo, ukuba eze kuthi njengemvula, njengemvula evuthisayo, elinyakamisayo ilizwe.

UEfrayim noYuda bakhohlakele, kwanokumkani nabathetheli

4Mandikuthini na, Efrayim? Mandikuthini na, Yuda? Uthando lwenu lunjengelifu lomso, lunjengombethe ophela kwakusasa.

5Ngenxa yoko ndibaxozile ngabaprofeti, ndababulala ngamazwi omlomo wam; ukuze umgwebo wam uphume njengokukhanya.

6Ngokuba ndinonelele uthando, andinonelele mbingelelo; ndinonelele ukwazi uThixo, ngaphezu kwamadini anyukayo.

7Ke bona bawugqithile umnqophiso njengoAdam, banginiza kum apho.

8IGiliyadi ngumzi wabasebenzi bobutshinga; uzele yimikhondo yegazi.

9Bunjengokulalelwa kwendoda ngamatutu ubudlelane bababingeleli; bayancinitha endleleni eya kwaShekem, ewe, benzé amanyala.

10Endlwini kaSirayeli ndiboné into ebanga amanwele; apho uEfrayim uyahenyuza, uSirayeli uzenza inqambi.

11Kananjalo wena Yuda, umiselwe uvuno, ekukubuyiseni kwam ukuthinjwa kwabantu bam.

UHoseya 7

1Ekumphiliseni kwam uSirayeli, kusuke kutyhileke ubugwenxa bukaEfrayim nobubi bakwaSamari; kuba besebenza ubuxoki, isela lingéne, amatutu abhunyule ngaphandle.

2Àbatsho entliziyweni yabo ukuthi ndobukhumbula bonke ububi babo; ngoku zibangqongile iintlondi zabo, zabakho phambi kobuso bam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Bamvuyisile ukumkani ngeento zabo ezimbi, nabathetheli ngokuxoka kwabo.

4Bonke bephela bangabakrexezi; banjengeziko lezonka elibaselwe ngumojizonka, okha ayeke ukukhwezela, lo gama axovula intlama, ide ifukuke.

5Ngemini yokumkani wethu abathetheli bazixhayele isifo ngobushushu bewayini; úthabathene nabagxeki.

6Ngokuba bayisondezé intlixiyo yabo emlaleni wabo, ngathi kusezikweni lezonka; bonke ubusuku ulele umoji-zonka wabo; kusasa lona livutha njengomlilo olenyayo.

7Bonke bephela bashushu njengeziko lezonka, bayabadla abagwebi babo; bonke ookumkani babo bawile; akukho namnye kubo undinqulayo.

Ubudenge bukaEfrayim kwezombuso

8UEfrayim yena uzekazekana nezizwe; uEfrayim uliqebengwana lesonka elingaguqulwanga.

9Abasemzini bawadlile amandla akhe, ukanti yena akazi; nezimvi zithe saa kuye, noko akazi yena.

10Iqhayiya likaSirayeli liyangqina ebusweni bakhe; noko àbabuyeli kuYehova uThixo wabo, àbamfuni kuko konke oku.

11UEfrayim unjengevukuthu elimathileyo, elingenantliziyo; babiza iYiputa, baya eAsiriya.

12Ndothi, bakubon' ukuba bayaya, ndiwutwabulule phezu kwabo umnatha wam, ndibathobe njengeentaka zezulu; ndiya kubathethisa ngokweendaba endazivakalisayo ebandleni labo.

13Yeha ke bona! kuba babalekile kum. Yimbubho kubo! kuba bakreqile kum. Mna ngendibakhulule, basuka bona bathetha amanga ngam.

14Abakhalanga kum ngeentliziyo zabo, basuka bamana bebhomboloza ezililini zabo; baqukana ngenxa yengqolowa newayini entsha, baphambuka, bandichasa.

15Mna ndiziqeqeshile, ndazomeleza, iingalo zabo; ke bona bacinga ububi ngam.

16Bayabuya, kodwa ababuyeli phezulu; banjengesaphetha esityeketyeke. Baya kuwa likrele abathetheli babo, ngenxa yobhavumo lolwimi lwabo. Oko kukugculelwa kwabo ezweni laseYiputa.

UHoseya 8

Unqulo-zithixo lukaSirayeli nesohlwayo salo

1Beka isigodle emlonyeni wakho. Utshaba luyirhiwula indlu kaYehova njengexhalanga; ngenxa yokuba bewugqithile umnqophiso wam, bakreqa kumyalelo wam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[2]Baya kukhala kum, bathi, Thixo wethu, siyakwazi, thina Sirayeli.

[3]Iyanuka kuSirayeli into elungileyo; utshaba malumsukele.

[4]Bamisé ookumkani, bengaveli kum; benzé abathetheli, ndingàzi mna; isilivere yabo negolide yabo bayenzé izithixo, ukuze inqanyulwe.

[5]Ithole lakho liyanuka, Samari: umsindo wam uyavutha kubo; kunini na bengakwazi ukuziphatha msulwa?

[6]Ngokuba nalo elo liphuma kwaSirayeli; lenziwe yingcibi, àliThixo lona; ke liya kucoleka ithole lakwaSamari.

[7]Ngokuba behlwayelé umoya, baya kuvuna isaqhwithi. Akukho zimba kuwo; isithombo asenzi sikhwebu; nokuba besithe saba naso, besiya kudliwa ngabasemzini.

[8]Úginyiwe uSirayeli; ngoku basezintlangeni njengempahla engananziweyo.

[9]Kuba bona banyuke baya eAsiriya, njenge-esile lasendle lihamba lilodwa, lahlukile; ke yena uEfrayim uziqeshile izithandane.

[10]Nakuba beqesha nokuqesha ezintlangeni, ndiya kubabutha ngoku, baqale banciphe ngenxa yomthwalo wokumkani wabathetheli.

[11]Kuba uEfrayim uzandisile izibingelelo zokona; kuye izibingelelo zaba zezokona.

[12]Ndimbhalela into eninzi yemiyalelo yam; bayicingela into engento.

[13]Imibingelelo yezipho zam bayayibingelela, bayidla ngokwenyama; ke àyakholeka kuYehova; ngokunje uya kubukhumbula ubugwenxa babo, azivelele izono zabo; baya kubuyela bona eYiputa.

[14]Kuba uSirayeli wamlibala uMenzi wakhe, wákha amabhotwe; uYuda wayandisa imizi enqatyisiweyo. Ke mna ndiya kuthumela umlilo emizini yakhe, uzidle iingxande zakhe ezinde.

UHoseya 9

Kuya kufika ukuthinjwa nesohlwayo ngenxa yokunganyaniseki kukaSirayeli

[1]Musa ukuvuya, Sirayeli, ude ugcobe njengezizwe; ngokuba ùhenyuzile, wemka kuThixo wakho; uthandé utshequ ezandéni zonke zengqolowa.

[2]Isandá nesixovulelo seoli asiyi kubondla, newayini entsha iya kunidanisa.

[3]Abayi kuhlala ezweni likaYehova; uEfrayim uya kubuyela eYiputa, badle izinto eziyinqambi eAsiriya.

[4]Abayi kumthululela uYehova iwayini, ayiyi kuba mnandi kuye nemibingelelo yabo; ukudla kwabo kubo kuya kuba njengesonka sabalilayo. Bonke abakudlayo baya kuba

© 1975 Bible Society of South Africa.

ziinqambi; ngokuba ukudla kwabo kuya kuba kokwabo, akuyi kungena endlwini kaYehova.

5Nòthini na ngemini yexesha elimisiweyo, nangemini yomthendeleko kaYehova?

6Kuba, yabonani, bemkile ngenxa yembuqo; iYiputa iya kubabutha, iMofi iya kubangcwaba; izinto zabo ezinqwenelekayo zesilivere ziya kuhluthwa ngamarhawu; yimithi enameva ezintenteni zabo.

7Kufiké iimini zokuvelela, kufiké iimini zempindezelo; úya kwazi uSirayeli. Umprofeti sisimathane, ngumbhudi indoda enomoya, ngenxa yobukhulu bobugwenxa bakho nckutshutshisa okuninzi.

8Ngumboniseli uEfrayim ngakuThixo wam; umprofeti ngumgibe womthiyeli ezindleleni zakhe zonke, uyintshutshiso endlwini yoThixo wakhe.

9Batshonisile ukonakalisa kwabo, njengokwemihla yaseGibheha; úya kubukhumbula ubugwenxa babo, úya kuzivelela izono zabo.

10Ndamfumana uSirayeli enjengeediliya entlango; ndababona ooyihlo benjengamakhiwane aqalelayo emkhiwaneni, ekuqaleni kwawo; basuka bona baya kuBhahali-pehore, bazahlulela entweni eziintloni, baba yinto enezothe, njengesithandane sabo.

11UEfrayim, uzuko lwakhe luya kubaleka, lumke njengentaka; kungabikho kuzala, nakumitha, nakukhawula.

12Ewe, nokuba bathe bakhulisa oonyana, ndobahlutha abantwana, kungabikho luntu. Yeha ke bona, ekusukeni kwam kubo!

13Ngoko ndazibonela uEfrayim, ukuba abe yiTire, etyelwe ekriweni; kodwa uEfrayim uya kubakhuphela kumbulali oonyana bakhe.

14Bánike, Yehova; wòbanika ntoni na? Bánike isisu esiphumayo, namabele awomileyo.

15Bonke ububi babo buseGiligali; kuba ndaqala ukubathiya khona. Ngenxa yobubi beentlondi zabo, ndiya kubagxotha endlwini yam; andiyi kuphinda ndibathande; bonke abathetheli babo baziinjubaqa.

16Ubethiwe uEfrayim, ingcambu yabo yomile; abayi kuxakatha siqhamo. Nokuba bathe bazala, ndozibulala izinto ezinqwenelekayo zesisu sabo.

17UThixo wam uya kubacekisa, kuba bengamphulaphulanga; baya kuphalaphala ezintlangeni.

UHoseya 10

Okuya kuhlela uSirayeli

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]USirayeli ngumdiliya onabileyo; wazixakathela iziqhamo. Okukhona waba neziqhamo, kokukhona wandisa izibingelelo; okukhona lalungayo ilizwe lakhe, kokukhona walungisa izimiso zamatye.

[2]Yaba buthelezi intliziyo yabo; ngoku baya kuva benetyala. Úya kuziqhekeza izibingelelo zabo, azibhuqe izimiso zabo zamatye.

[3]Ewe, ngoku baya kuthi, Asinakumkani; kuba asimoyikanga uYehova; nokumkani lowa, uya kusenzela ntoni na?

[4]Bathetha amazwi nje, bashwabula ngenkohlakalo, benza iminqophiso; kwahluma okusesikweni, njengobuhlungu emiqeleni yesisimi.

[5]Abemi bakwaSamari banxunguphele ngomfanekiso wethole laseBhetaven; ewe, benza isijwili ngalo abantu balo, bathuthumele ababingeleli balo abangengabo, ngenxa yalo, ngenxa yozuko lwalo, kuba lufudukile kulo.

[6]Liya kusiwa eAsiriya nalo, libe ngumnikelo kukumkani uYarebhi; uEfrayim uya kubanjwa kukudana, adane uSirayeli ngenxa yecebo lakhe.

[7]Ke elakwaSamari, ukumkani walo udakile, unjengeceba phezu kwamanzi.

[8]Izigánga zaseAven, isono sikaSirayeli, zotshabalala. Kuya kuhluma imithana enameva neenkunzana ezibingelelweni zabo; baya kuthi kwiintaba, Siseleleni; nakwiinduli, Siweleni.

USirayeli umelwe kukubhujiswa ngenxa yesono sakhe

[9]Kususela kwimihla yaseGibheha, Sirayeli wóna; bahlala khona; akubafikelanga eGibheha ukulwa noonyana bobugqwetha.

[10]Ndiya kubathethisa ke ngokomnqweno wam, zibahlanganyele zonke izizwe, ekubotshelelweni kwabo ebugwenxeni babo bobubini.

[11]UEfrayim lithokazi eliqeqeshiweyo, elithanda ukubhula; mna ke ndibeke idyokhwe entanyeni yalo entle. Ndiyamtsalisa uEfrayim; uYuda uya kulima; uYakobi uya kuziqwakanisela.

[12]Zihlwayeleleni, ukuba kuvele ubulungisa; vunani ngokwenceba; zikhubeleleni umkhubelo, ekubeni ilixesha lokumquqela uYehova, ade afike aninisele ubulungisa.

[13]Nalima okungendawo, navuna ubugqwetha, nadla iziqhamo zobuxoki; kuba wakholosa ngendlela yakho, ngobuninzi bamagorha akho.

[14]Kuya kuvuka ingxolo phakathi kwezizwe zakowenu, zibhuqwe neenqaba zakho zonke, njengoko uShaleman wayibhuqayo iBhete-arbhele ngemini yemfazwe; kwacunyuzwa oonina kunye noonyana.

[15]Iya kwenjenjalo kuni iBheteli, ngenxa yobubi bezinto zenu ezimbi; kwangesifingo úya kusingelwa phantsi aphele ukumkani wakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHoseya 11

Uthando lukaYehova kubantu bakhe abanobugwenxa

1Oko uSirayeli ebemncinane, ndamthanda, ndambiza unyana wam ukuba aphume
eYiputa.

2Bababiza, kwaba kukhona bemkayo ebusweni babo; babingelela kooBhahali,
baqhumisela kwimifanekiso eqingqiweyo.

3Mna ke ndamfundisa uEfrayim ukuhamba, ndibaphatha ngeengalo zam;
àbazanga noko, ukuba ndabaphilisa.

4Ndabatsala ngezintya zomntu, ngeentsontelo zothando; kubo ndaba
njengomnyinyisi wedyokhwe emihlathini yabo, ndathantamisa ukumnika ukudla.

5Akayi kubuyela ezweni laseYiputa; nguAsiriya ukumkani wakhe; kuba abavumanga
ukubuya.

6Ikrele liya kuyijikeleza imizi yakhe, liyigqibele imivalo yakhe, liyidle, ngenxa
yamacebo abo.

7Abantu bam baphikele ukubuya umva kum; nakuba bebizelwa phezulu,
àbaziphakamisi mpela.

8Ndingàthini na ukukulahla, Efrayim? ndikuncame, Sirayeli? Ndingàthini na
ukukulahla njengeAdama, ndikwenze ube njengeTsebhoyim? Intliziyo yam
iphethukile phakathi kwam, ububele bam buvuthile kunye.

9Andiyi kukwenza ukuvutha komsindo wam, andiyi kubuya ndimonakalise uEfrayim;
ngokuba ndinguThixo, àndimntu; ndingoyiNgcwele phakathi kwakho; andizi
ndishushu ngamsindo.

10Baya kumlandela uYehova; uya kubharhula njengengonyama; kuba yena uya
kubharhula, bavele entshonalanga oonyana, begubha.

11Baya kuvela eYiputa, begubha njengeentaka, bavele ezweni laseAsiriya
njengamavukuthu, ndibabeke ezindlwini zabo; utsho uYehova.

Kukhunjuzwa ngebali likaYakobi

12UEfrayim undirhawule ngobuxoki, indlu kaSirayeli ngenkohliso; noYuda
usengumqhathu kuThixo, koyiNgcwele, onyanisileyo.

UHoseya 12

1UEfrayim wasukelana nomoya; usukela ulophu lwasempumalanga. Imini yonke
wandisa amanga nembuqo; banqophisana neAsiriya, kusiwa ioli eYiputa.

2UYehova ubambene noYuda, umvelela uYakobi ngokweendlela zakhe; uya
kumbuyisela ngokweentlondi zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Esizalweni wambamba umkhuluwa wakhe ngesithende, ekuqineni kwakhe wazamana noThixo.

4Wazamana naso isithunywa, wafeza, walila, watarhuzisa kuso; samfumana eBheteli, apho ke sasithetha nathi.

5UYehova, uThixo wemikhosi, uYehova sisikhumbuzo sakhe.

6Wena ke, buyela kuThixo wakho; gcina inceba nokusesikweni, uhlale uthembele kuThixo wakho.

7Úngumrhwebi ophethe isikali senkohliso, uthanda ukucudisa.

8Wathi uEfrayim, Noko ndisisityebi, ndizifumanele ubutyebi; yonke imigushanxa yam ayindizuzisanga bugwenxa busisono.

9Kanti mna ndinguYehova, uThixo wakho nje, kwasezweni laseYiputa; ndisaya kukubeka ezintenteni, njengokwemihla yomthendeleko.

10Ndithethé kubaprofeti, ndandisa imibono mna, ndenza imizekeliso ngezandla zabaprofeti.

11Ukuba iGiliyadi ilishinitshini, yoba yinto engento kuphela. Babingelela iinkomo eGiligali; izibingelelo zabo nazo zoba njengeemfumba zamatye emiqeleni yesisimi.

12UYakobi wabalekela ezweni lakwa-Aram, uSirayeli wakhonza ngenxa yomfazi, wagcina imihlambingenxa yomfazi.

13UYehova wamnyusa uSirayeli eYiputa ngomprofeti ke, wagcinwa ngomprofeti ke.

14UEfrayim uqumbise kakrakra; iNkosi yakhe iya kuwaphosa amagazi akhe phezu kwakhe, isibuyisele kuye isingcikivo sakhe.

UHoseya 13

Unqulo-zithixo lukaEfrayim luya kohlwaywa

1Wathi akuthetha uEfrayim, kwabakho ukothuka; waphakama yena kwaSirayeli, wesuka wazeka ityala ngoBhahali, wafa.

2Ngoku bóngeza ukona, bazenzela imifanekiso etyhidiweyo ngesilivere yabo, bazenzelaizithixo njengokuqonda kwabo; ingumsebenzi weengcibi wonke uphela; ababingelelayo baseluntwini, bathi ngayo, bawanga amathole.

3Ngako oko baya kuba njengelifu lomso, nanjengombethe ophela kwakusasa, njengomququ ophetshethwa sisaqhwithi esandéni, nanjengomsi ophuma ngekroba.

4Kanti mna ndinguYehova uThixo wakho, kwasezweni laseYiputa; akuyi kwazi thixo ungendim; akukho namnye umsindisi ngaphandle kwam.

5Mna ndákwazi entlango, ezweni lasekubaleleni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Bathi bakudliswa, bahlutha; bakuhlutha, yaphakama intliziyo yabo; ngenxa yoko bandilibele.

7Ngoko ndaba njengengonyama kubo, ndabalalela njengengwe endleleni.

8Ndothi gaga kubo njengebhere ehluthwe amathole ayo, ndiwukrazùle umhlehlo wentliziyo yabo, ndibàdle khona njengengonyamakazi; amarhamncwa asendle aya kubadlavula.

9Ùzonakalisile, Sirayeli, ngokundichasa kwakho, mna luncedo lwakho.

10Úphi na ngoku ukumkani wakho, ukuba angakusindisi emizini yakho yonke? Baphi na ngokunje abagwebi bakho abo, wàthi, Ndínike ukumkani nabathetheli?

11Ndikunika ookumkani ndínomsindo, ndibathabathe ngokuphuphuma kwawo.

12Bubotshiwe ngengxowa ubugwenxa bukaEfrayim, sibekiwe isono sakhe.

13Inimba yozalayo iyamzela; úngunyana ongenabulumko, kuba engaveli ngexesha elililo emlonyeni wesizalo.

14Ndiya kubakhulula esandleni selabafileyo, ndiya kubahlawulela ndibakhulule ekufeni. Ziphi na iindyikitya zakho, kufa? Iphi na imbubhiso yakho, ngcwaba? Ukuzohlwaya kusithele emehlweni am.

15Nokuba yena uya kuba neziqhamo phakathi kwabazalwana bakhe, kuya kuza ulophu lwasempumalanga, umoya kaYehova únyuka entlango, litshe ithende lakhe, wome umthombo wakhe; lowo uya kuphanga ubuncwane beempahla zonke ezinqwenelekayo.

16ElakwaSamari liya kuziva linetyala, kuba liphikise uThixo walo. Baya kuwa likrele, iintsana zabo zicunyuzwe, nabamithiyo babo baqangqululwe.

UHoseya 14

USirayeli ubongozelwa ukuba abuyele kuYehova

1Sirayeli, buya, uze kuYehova, uThixo wakho; ngokuba ùkhubekile ngobugwenxa bakho.

2Thabathani niphathe amazwi, nibuyele kuYehova; yithini kuye, Síxolele bonke ubugwenxa, wamkèle izinto zethu ezilungileyo, ukuze sinikele iinkunzi zeenkomo ezintsha, imibuleloyomlomo wethu.

3UAsiriya akayi kusisindisa, asiyi kukhwela emahasheni, asiyi kuba sathi kumsebenzi wezandla zethu, Thixo wethu; kuba kuwe inkedama ifumana imfesane.

UYehova uya kuba nobubele

4Ndiya kukuphilisa ukubuya kwabo umva, ndiya kubathanda ngesisa; ngokuba umsindo wam ubuyile kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ndiya kuba njengombethe kuSirayeli; úya kutyatyamba njengenyibiba, endelisele iingcambu zakhe njengeLebhanon.

6Aya kunaba amasebe akhe, bube njengomnquma ubuhle bakhe, ivumba lakhe libe njengeLebhanon.

7Baya kubuya abahlala emthunzini wakhe, baphile njengengqolowa, batyatyambe njengomdiliya, isikhumbuzo sawo sibe njengewayini yaseLebhanon.

8Efrayim, yintoni na esenam nezithixo? Okwam ndiyamphendula, ndímkhathalela; ndinjengomsipres oluhlaza, siyafunyanwa kum isiqhamo sakho.

9Ngubani na olumkileyo, aziqonde ezo zinto? Ngubani na onengqondo, azazi? Ngokuba zithe tye iindlela zikaYehova; ahamba ngazo amalungisa; ke bona abakreqi baya kukhubeka kuzo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYoweli

UYoweli 1

Ilizwe libhuqwe ziinkumbi

1 Ilizwi likaYehova elafika kuYoweli, unyana kaPetuweli.

2 Yivani oku, nina madoda makhulu, nibeke iindlebe, nonke bemi belizwe; kwakha kwakho na oku ngemihla yenu, nangemihla yooyihlo?

3 Kuxeleni koonyana benu, oonyana benu bakuxele koonyana babo, oonyana babo bakuxele kwisizukulwana esisemva kwabo.

4 Okushiywe ngumqikela kudliwé yinkumbi, okushiywe yinkumbi kudliwe ngumkhothululi, okushiywe ngumkhothululi kudliwé ngumnqunquthi.

5 Vukani, manxila, nilile; bhombolozani, nonke baseli bewayini, ngenxa yencindi yewayini; kuba inqunyulwe emlonyeni wenu.

6 Kuba ezweni lakowethu kunyuké uhlanga olunamandla, olungenakubalwa; amazinyo alo ngamazinyo engonyama, nawemihlathi alo ngawengonyamakazi.

7 Luwubhuqile umdiliya wam, lwawuvikiva umkhiwane wam; luwuchube kwathi tu, lwawulahla; amasebe awo asuka aba mhlophe.

8 Bhomboloza njengentombi ebhinqe ezirhwexayo, ngenxa yendoda yobutsha bayo.

9 Únqamkile endlwini kaYehova umnikelo wokudla nothululwayo; benza isijwili ababingeleli, abalungiseleli bakaYehova.

10 Abhuqiwe amasimi, umhlaba wenza isijwili; kuba ibhuqiwe ingqolowa, itshile iwayini entsha, ioli yomile.

11 Danani, balimi; bhombolozani, basebenzi bezidiliya, ngenxa yengqolowa nangenxa yerhasi; kuba lutshabalele uvuno lwamasimi.

12 Umdiliya utshile, umkhiwane untshwenyile, nomrharnate, kwanamasundu nemiapile; yonke imithi yasendle yomile; ewe, iphelile imihlali, imkile koonyana babantu.

13 Bhinqani ezirhwexayo, nimbambazele, babingeleli; bhombolozani, balungiseleli besibingelelo; yizani, lalani ngezirhwexayo bonke ubusuku, balungiseleli boThixo wam; kuba indlu yoThixo wam ivinjiwe umnikelo wokudla nothululwayo.

14 Ngcwalisani uzilo, memani ingqungquthela, hlanganisani amadoda amakhulu, bonke abemi belizwe, beze endlwini kaYehova uThixo wenu, nikhale kuYehova.

15 Hayi ke, le mini! Kuba isondele imini kaYehova, ivela njengembuqo kuSomandla.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

16Àkunqumke phambi kwamehlo ethu na ukudla, imivuyo nemigcobo endlwini
yoThixo wethu?

17Zibolile iinkozo phantsi kwamagada azo, bachithakele oovimba, athi bhuma
amaqonga, kuba itshile ingqolowa.

18Hayi, ukuncwina kwempahla enkulu! Ikhohliwe imihlambi yeenkomo, kuba
ingenatyani; nemihlambi yempahla emfutshane ibandezelekile.

19Ndikhala kuwe, Yehova; kuba umlilo uwatshisile amakriwa asentlango, nelangatye
layirhawula yonke imithi yasendle.

20Kwanempahla enkulu yasendle itsalela kuwe; kuba itshile imijelo yamanzi, umlilo
wawatshisa amakriwa asentlango.

UYoweli 2

Ukubaliswa kwesibetho seenkumbi

1Vuthelani isigodlo eZiyon, nihlabe umkhosi entabeni yam engcwele. Mabagungqe
bonke abemi belizwe, ngokuba isiza imini kaYehova, kuba isondele:

2imini enobumnyama nesithokothoko, imini enamafu, enamafu amnyama,
anjengokuthi qhiphu kokusa phezu kweentaba; abantu abaninzi, ábanamandla;
akuzanga kube nje naphakade, emva kwabo akusayi kuza kubuye kube nje, kude
kuse eminyakeni yezizukulwana ngezizukulwana.

3Phambi kwabo kutshisa umlilo; nasemva kwabo kurhawula ilangatye. Ilizwe
linjengomyezo we-Eden phambi kwabo; emva kwabo linjengentlango enkangala,
nento esindileyo ayi kubakho kulo.

4Injengokubonakala kwamahashe imbonakalo yabo; njengakhwelwayo, benjenjalo
ukubaleka.

5Anjengesithonga seenqwelo zokulwa ezincotsheni zeentaba amagqasi abo;
njengesithonga selangatye lomlilo otshisa iindiza; njengabantu abanamandla abakhé
uluhlu.

6Ebusweni babo ziyazibhijabhija izizwe; bonke ubuso buba luthuthu.

7Bagidima njengamagorha; banyuka udonga njengamadoda okulwa; bahamba elowo
ngendlela yakhe, àbaphambaphambi emendweni wabo.

8Àbagilani, bahamba elowo ngomendo wakhe; bawa nasezikhalini, bangenzakali.

9Baphithizela emzini; babaleka eludongeni; banyuka ezindlwini; bangena ngeefestile
njengesela.

10Phambi kwabo uyagungqa umhlaba; liyanyikima izulu. Lisuke laba mnyama ilanga
nenyanga, neenkwenkwezi zibufinyezile ubumhlophe bazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11UYehova ukhupha izwi lakhe phambi kwempi yakhe; kuba mkhulu kakhulu umkhosi wakhe; kuba unamandla umenzi welizwi lakhe; kuba inkulu imini kaYehova, yoyikeka kunene; ngubani na onokuyinyamezela?

Ukumemela enguqukweni nakwinzilo

12Nangoku ke, utsho uYehova ukuthi, Buyelani kum ngentliziyo yenu yonke, nangokuzila, nangokulila, nangokumbambazela;

13nikrazúle intliziyo yenu, ingabi ziingubo zenu, nibuyele kuYehova uThixo wenu; kuba unobabalo nemfesane, yena uzeka kade umsindo, unenceba enkulu, uyazohlwaya ngenxa yobubi.

14Ngubani na owaziyo? mhlawumbi wobuya azohlwaye, ashiye intsikelelo ngasemva kwakhe, umnikelo wokudla nothululwayo kuYehova uThixo wenu.

15Vuthelani isigodlo eZiyon, ngcwalisani uzilo, memani ingqungquthela.

16Hlanganisani abantu, ngcwalisani ibandla, buthani amadoda amakhulu, hlanganisani iintsapho nabanyáyo emabeleni; makaphume umyeni egumbini lakhe, umtshakazi esililini sakhe.

17Mabalile ababingeleli, abalungiseleli bakaYehova, phakathi kwevaranda nesibingelelo, bathi, Yiba nenceba, Yehova, ebantwini bakho, ungalinikeli ilifa lakho ekungcikivweni, ukuba iintlanga zizekelise ngabo, yini na ukuba kuthiwe ezizweni, Úphi na uThixo wabo?

UYehova wenza inceba, abuyise indyebo

18Wába nobukhwele ke uYehova ngelizwe lakhe, waba nofefe ngabantu bakhe.

19Waphendula uYehova, wathi ebantwini bakhe, Yabonani, ndinithumela ingqolowa, newayini entsha, neoli, eniya kwaneliswa yiyo; ndingabi saninikela ukuba nibe sisingcikivo ezintlangeni.

20Ndiya kumkhwelelisela kùde kuni owasentla, ndimgxothele ezweni elingumqwebedu, enkangala; umphambili wakhe usinge kulwandle lwasempumalanga, umqosheliso wakhe kulwandle lwasentshonalanga, kunyuke ukunuka kwakhe, kunyuke ukubola kwakhe, kuba eziphakamisile ukwenza izinto ezinkulu.

21Musa ukoyika, hlabathi, gcoba uvuye; kuba uYehova wenza izinto ezinkulu.

22Musani ukoyika, mpahla inkulu yasendle; kuba amakriwa asentlango aphuma uhlaza; kuba umthi uxakatha isiqhamo sawo, umkhiwane nomdiliya unika amandla awo.

23Nani, nyana baseZiyon, gcobani nivuye kuYehova uThixo wenu; kuba uninika umyaleli wokuba kubekho ubulungisa, anihlisele umvumbi, imvula ethambisayo nemvula evuthisayo ekuqaleni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Zozala izandá yingqolowa, iphalale yiwayini entsha nayioli imikhombe yokukhongozela.

25Ndonibuyiselela okweminyaka eyadliwa yinkumbi, nangumkhothululi, nangumqikela, nangumnqunquthi, impi yam enkulu endayithumelayo phakathi kwenu.

26Niya kudla nidlile, nihluthe, nilidumise igama likaYehova uThixo wenu, oniphethe ngokubalulekileyo; bangadani abantu bam naphakade;

27názi ukuba ndiphakathi kwamaSirayeli; ukuba mna Yehova ndinguThixo wenu, akukho wumbi; bangàdani abantu bam naphakade.

Idinga lokuthululwa koMoya kaThixo

28Kuya kuthi emveni kokuba njalo, ndithulule uMoya wam phezu kwenyama yonke, baprofete oonyana benu neentombi zenu; amadoda enu amakhulu aphuphe amaphupha, amadodana enu abone imibono.

29Kwanaphezu kwabakhonzi naphezu kwabakhonzazana ndothulula uMoya wam ngaloo mihla.

30Ndiya kwenza izimanga ezulwini nasehlabathini, igazi nomlilo nemiqulu yomsi.

31Ilanga liya kusuka libe mnyama, nenyanga ibe ligazi, phambi kokuba ifike imini kaYehova, leyo inkulu yoyikekayo.

32Bothi bonke abasukuba benqula igama likaYehova, basinde; kuba entabeni yaseZiyon naseYerusalem kuya kubakho abasindileyo, njengoko watshoyo uYehova; naphakathi kwabaseleyo kubekho awobabiza uYehova.

UYoweli 3

Umgwebo weentlanga kwintili yesigqibo

1Ngokuba, yabonani, ngayo loo mihla, nangalo elo xesha, ndiya kukubuyisa ngalo ukuthinjwa kukaYuda neYerusalem,

2ndozibutha zonke iintlanga, ndizihlisele entilini yakwaYoshafati; ndimangalelane nazo khona ngenxa yabantu bam, ilifa lam amaSirayeli, ezibathe saa ezintlangeni, zalaba ilizwe lam.

3Abantu bam zibenzéle amaqashiso, zavuza ihenyukazi ngenkwenkwe; zathengisa ngentombi ngewayini, zasela.

4Kananjalo niya kundenza ntoni na nina, Tire, nawe, Tsidon, nani, mida yonke yamaFilisti? Niya kundibuyekeza impatho yam na? Niya kundenza ntoni na? Kwakamsinya, ngokukhawulezayo, ndiya kukubuyisela ukuphatha kwenu entlokweni yenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ekubeni nithabathe isilivere yam negolide yam, izinto zam ezintle ezinqwenelekayo,
nazísa etempileni yenu;

6nathengisa ngoonyana bakaYuda nangoonyana baseYerusalem koonyana
bakaYavan, ukuze nibakhwelelisele kude emdeni wabo;

7yabonani, ndiyabaxhoxha endaweni enathengisa ngabo kuyo, ndikubuyìsele
ukuphatha kwenu entlokweni yenu.

8Ndothengisa ngoonyana benu nangeentombi zenu esandleni soonyana bakaYuda,
bathengise ngabo kumaShebha, kuhlanga olukude; kuba úthethile uYehova.

9Memezani oku ezintlangeni, ngcwalisani imfazwe; xhoxhani amagorha; makafike
enyuke onke amadoda okulwa.

10Khandani amakhuba enu abe ngamakrele, nezitshetshe zenu zemidiliya zibe
zizikhali;

11oswele amandla makathi, Ndiligorha. Khawulezani nize, nonke zintlanga zangeenxa
zonke, nibuthelane; wahlisele khona amagorha akho, Yehova.

12Mazixhoxhwe zinyuke iintlanga, ziye entilini yakwaYoshafati; ngokuba ndiya
kuhlala phantsi khona, ukuze ndizigwebe zonke iintlanga zangeenxa zonke.

13Fakani irhengqa, kuba ukudla kuvuthiwe; yizani nixovule, ngokuba isixovulelo
sewayini sizele, iyaphalala imikhombe yokukhongozela; kuba bukhulu ububi bazo.

UYehova uya kumhlangula uYuda

14Yimbuthumbuthu, yimbuthumbuthu entilini yesigqibo! Kuba isondele imini
kaYehova entilini yesigqibo.

15Ilanga nenyanga zenziwe mnyama, iinkwenkwezi zikufinyezile ukukhanya kwazo.

16UYehova ubharhula eZiyon, ukhupha ilizwi lakhe eYerusalem, linyikime izulu
nehlabathi; ke uYehova ulihlathi kubantu bakhe, uligwiba koonyana bakaSirayeli.

17Niya kwazi ke ukuba mna Yehova ndinguThixo wenu, ohleli eZiyon, entabeni yam
engcwele; iYerusalem yoba ngcwele, abasemzini bangabi sacanda phakathi kwayo.

18Kuya kuthi ngaloo mini, iintaba zivuze incindi yeediliya, iinduli ziphalale amasi,
imijelo yonke yakwaYuda iphalale amanzi; kuphume umthombo endlwini kaYehova,
usèze isihlambo semingampunzi.

19IYiputa kuya kuba senkangala, nelakwaEdom libe yintlango esenkangala, ngenxa
yokugonyamela kwabo oonyana bakaYuda, ekubeni bephalazé igazi elimsulwa
ezweni labo.

20Ke uYuda uya kumiwa ngonaphakade, iYerusalem imiwe kwizizukulwana
ngezizukulwana.

21Ndiya kulisula igazi labo endandingalisulanga; ngokuba uYehova uhleli eZiyon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UAmosi

UAmosi 1

Imigwebo kaThixo kwiintlanga ezingabamelwana

1Amazwi ka-Amosi, obengowakubo abalusi baseTekowa, awawabonayo
ngokusingisele kwaSirayeli, ngemihla kaUziya ukumkani wakwaYuda, ngemihla
kaYarobheham unyana kaYowashe, ukumkani wakwaSirayeli, iminyaka emibini
phambi konyikimo.

2Wathi: UYehova uyabharhula eZiyon, akhuphe ilizwi lakhe eYerusalem, amakriwa
abalusi enzè isijwili, incopho yeKarmele yomè.

3Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zeDamasko, ngenxa yeziné —
andiyi kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokuba bambhuláyo uGiliyadi ngezibhulo
zesinyithi:

4ndiya kuphosa umlilo endlwini kaHazayeli, utshise iingxande ezinde zikaBhen-
hadade.

5Ndowaphula umvalo weDamasko, ndinqumle ummi wasesihlanjeni seAven,
nophethe intonga yobukumkani eBhete-eden; bathinjwe abantu bakwa-Aram, baye
eKire; utsho uYehova.

6Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zeGaza, ngenxa yeziné — andiyi
kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokuthimba kwabo abathinjwa ngokuzeleyo, ukuze
babanikele kuEdom:

7ndiya kuthumela umlilo eludongeni lweGaza, utshise iingxande zayo ezinde.

8Ndomnqumla omiyo eAshdode, nophethe intonga yobukumkani eAshkelon;
ndisibuyisele isandla sam phezu kwe-Ekron, atshabalale amasalela amaFilisti; itsho
iNkosi uYehova.

9Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zeTire, ngenxa yeziné — andiyi
kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokubanikela kwabo abathinjwa bephelele
kuEdom, àbawukhumbula umnqophiso wobuzalwana:

10ndiya kuthumela umlilo eludongeni lweTire, utshise iingxande zayo ezinde.

11Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zakwaEdom, ngenxa yeziné —
andiyi kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokumsukelisa kwakhe umzalwana wakhe
ngekrele, eyilahlile imfesaye yakhe, umsindo wakhe uhlala uqwenga, emana egcine
ukuphuphuma komsindo wakhe:

12ndiya kuthumela umlilo kwaTeman, utshise iingxande ezinde zaseBhotsera.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zoonyana baka-Amon, ngenxa yeziné — andiyi kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokuqangqulula kwabo abamithiyo baseGiliyadi, ukuze bandise umda wabo:

14ndiya kubàsa umlilo eludongeni lweRabha, utshise iingxande zayo ezinde, kúhlatywa umkhosi ngemini yokulwa, kúkho umoya ovuthuzayo ngemini yesaqhwithi.

15Uya kuthinjwa emke ukumkani wabo, yena nabathetheli bakhe kunye naye; utsho uYehova.

UAmosi 2

1Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zakwaMowabhi, ngenxa yeziné — andiyi kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokuwatshisa kwakhe amathambo ookumkani bakwaEdom, ába yikalika:

2ndiya kuthumela umlilo kwaMowabhi, utshise iingxande ezinde zeKeriyoti, afe uMowabhi, kúphithizelwa, kúhlatywa umkhosi, kúvuthelwa izigodlo.

3Ndomnqumla umgwebi phakathi kwakhe, ndibabulale bonke abathetheli bakhe kunye naye; utsho uYehova.

Ukugwetywa kukaYuda noSirayeli

4Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zakwaYuda, ngenxa yeziné — andiyi kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokuwucekisa kwabo umyalelo kaYehova, àbayigcina imimiselo yakhe; amanga abo, ababelandela wona ooyise, àbandwendwisa:

5ndiya kuthumela umlilo kwaYuda, utshise iingxande ezinde zeYerusalem.

6Utsho uYehova ukuthi, Ngenxa yezikreqo ezithathu zakwaSirayeli, ngenxa yeziné — andiyi kuyibuyisa umva le nto — ngenxa yokuba bathengisa ilungisa ngesilivere, bathengisa ihlwempu ngeembadada ezimbini;

7bona abo bazondayo ukuba intloko yezisweli ibe nothuli lomhlaba, bayijike indlela yabalulamileyo; umntu noyise baya ntombini-nye, ukuze balihlambele igama lam elingcwele;

8banaba phezu kweengubo ezisisibambiso ngasezibingelelweni zonke, basela iwayini yabahlawulisiweyo endlwini yothixo wabo.

9Kanti mna ndamtshabalalisa ebusweni babo umAmori, obude bunjengobude bemisedare, obeliqele njengemioki; ndasitshabalalisa isiqhamo sakhe ngaphezulu, neengcambu zakhe ngaphantsi.

10Ke mna ndaninyusa ezweni laseYiputa, ndanikhokela entlango iminyaka emashumi mané, ukuze nilihlùthe ilizwe lomAmori.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ndavelisa koonyana benu abokuba ngabaprofeti, nakumadodana enu abokuba ngabazahlulileyo. Hi, àkunjalo na, nyana bakaSirayeli? utsho uYehova.

12Ke nisuke nabaseza iwayini abazahlulileyo; abaprofeti nabawisela umthetho wokuthi, Ize ningaprofeti.

13Yabonani, ndiya kunixinzelela phantsi, njengokuba ixinzelelwa phantsi inqwelo ezele zizithungu.

14Wókhohlwa kukusaba onamendu, owomeleleyo angawaqinisi amandla akhe, igorha lingabusindisi ubomi balo.

15Nóphethe isaphetha akayi kumisa, nonyawo zinamendu angazisindisi, nokhwele ehasheni angabusindisi ubomi bakhe;

16nontliziyo ikhaliphileyo phakathi kwamagorha asabe ezé ngaloo mini; utsho uYehova.

UAmosi 3

USirayeli uza kohlwayelwa intswela-bulungisa

1Liveni eli lizwi alithethileyo uYehova ngani, nyana bakaSirayeli, ngayo yonke imizalwane endayinyusayo ezweni laseYiputa, lisithi,

2Ndazé nina nedwa emizalwaneni yonke yehlabathi; ngenxa yoko ndiya kubuvelela kuni ubugwenxa benu bonke.

3Bakha bahambe ndawonye na ababini, bengavani?

4Ikha ibharhule na ingonyama ehlathini, ingenanto iyiqwengayo? Ingonyama entsha ikha igqume na emqolombeni wayo, ingabambanga nto?

5Ikha yeyele na intaka esibatheni emhlabeni, kungekho sango liyithiyeleyo? Wojuba na umgibe emhlabeni, ungabambisanga nokubambisa?

6Khona khe sivuthelwe na isigodlo phakathi komzi, bangothuki abantu? Khe bubekho na ububi phakathi komzi, engabenzanga uYehova?

7Inene, ayikhe yenzé into iNkosi uYehova, ingathanga iluhlakaze ucweyo lwayo kubakhonzi bayo abaprofeti.

8Ingonyama ibharhule, ngubani na ongoyikiyo? INkosi uYehova ithethile, ngubani na ongayi kuprofeta.

9Memezani ezingxandeni ezinde zase-Ashdode, nasezingxandeni ezinde zezwe laseYiputa, nithi, Hlanganisani ezintabeni zelakwaSamari, nibone isaqunge esikhulu esiphakathi kwalo, nabacudisiweyo abasesazulwini salo.

10Kuba abakwazi ukwenza okuthe gca, utsho uYehova, abo bafumba ugonyamelo nobhuqo ezingxandeni zabo ezinde.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ngako oko itsho iNkosi uYehova ukuthi, Umbandezeli uya kuba ngeenxa zonke elizweni; uya kuwathoba amandla akho kuwe, ziphangwe iingxande zakho ezinde.

12Utsho uYehova ukuthi, Njengokuba umalusi ehlangula emlonyeni wengonyama ooxhongo ababini, nokuba sisiqwenga sendlebe, baya kwenjiwa njalo ukuhlangulwa oonyana bakaSirayeli, abahlala kwaSamari phezu kwephundu lesingqengqelo, naphezu kweengubo zomandlalo eziluhlobo lweDamasko.

13Yivani, ningqine kwindlu kaYakobi; itsho iNkosi uYehova, uThixo wemikhosi.

14Kuba, mini ndiya kuzivelela izikreqo zendlu kaSirayeli phezu kwayo, ndiya kuzivelela ezibingelelweni zaseBheteli, zixakaxwe iimpondo zesibingelelo, ziwe emhlabeni.

15Ndoyichitha indlu yasebusika, kunye nendlu yasehlotyeni, zitshabalale izindlu zeempondo zeendlovu, ziphele izindlu ezininzi; utsho uYehova.

UAmosi 4

1Liveni eli lizwi, nina zimazi zaseBhashan, zisezintabeni zakwaSamari, zizicudisayo izisweli, ziwavikivayo amahlwempu, zithi ezinkosini zazo, Zisani sisele.

2INkosi uYehova ifunge ubungcwele bayo, yathi, Yabonani, nizelwa yimihla eniya kuqweqwediswa ngamagwegwe, nabokugqibela kuni ngamaqerhu okubambisa iintlanzi.

3Niya kuphuma ngamathuba okuqhekezwa kodonga, elowo aphume ngelilunge naye, niye kuphoswa eHarmon; utsho uYehova.

Ukugxekwa kwemibingelelo yonqulo

4Yiyani eBheteli nikreqe; yiyani eGiligali, nandise ukukreqa; nizise imibingelelo yenu imisó ngemisó, nezishumi zenu kanye ngemihla emithathu;

5niqhumisèle umbingelelo wemibulelo ngento enegwele, nimemeze imibingelelo yokuqhutywa yintliziyo; memezani, kuba nithanda njalo, nyana bakaSirayeli; itsho iNkosi uYehova.

Ukukhunjuzwa ngezohlwayo

6Kananjalo mna ndinini ké ubumsulwa bamazinyo emizini yenu yonke, nokusweleka kwesonka ezindaweni zenu zonke; anibuyanga nize kum noko; utsho uYehova.

7Kananjalo mna ndayithintela imvula kuni, zísentathu iinyanga zokuba kuvunwe; ndayinisa komnye umzi, andayinisa komnye; esinye isahlulo somhlaba sanelwa yimvula, esinye isahlulo esinganelwanga satsha;

8imizi emibini, emithathu, ibhaduléle kumzi omnye, ukuze isele amanzi ingakholwa; ànabuya nize kum noko; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ndanibetha ngembabala nangexoshomba; imiyezo yenu nezidiliya zenu,
nemikhiwane yenu, neminquma yenu emininzi, yadliwa yinkumbi enqunquthayo;
ànabuya nize kum noko; utsho uYehova.

10Ndathumela phakathi kwenu indyikitya yokufa, ngokuyá kwaseYiputa, ndawabulala
ngekrele amadodana enu, kwanamahashe enu angamaxhoba, ndanyusa ukunuka
kweminquba yenu, kweza ezimpumlweni zenu; ànabuya nize kum noko; utsho
uYehova.

11Ndibabhukuqile abanye benu, njengoko wabhukuqa ngako uThixo iSodom
neGomora, nàba njengesikhuni esinyothulwe emlilweni; ànabuya nize kum noko;
utsho uYehova.

12Ngako oko ndiya kwenjenje kuwe, Sirayeli; ngokokuba ndiya kwenjenje ke kuwe,
zilungiselele ukuhlangabeza uThixo wakho, Sirayeli.

13Ngokuba, yabona, uloyila iintaba, ulodala umoya, uloxelela umntu into okuyiyo
ukuthelekelela kwakhe, ulowenza mnyama isifingo, ulonyathela phezu kwemimango
yehlabathi: nguYehova uThixo wemikhosi, igama lakhe.

UAmosi 5

1Liveni eli lizwi ndiliphakamisayo ngani, esi simbonono, ndlu kaSirayeli.

2Iwile, ayisayi kubuya ivuke intombi enguSirayeli; ikhahleleke emhlabeni, akukho
uyiphakamisayo,

3Ngokuba itsho iNkosi uYehova ukuthi, Umzi ophuma unewaka, uya kusala nekhulu;
ophuma unekhulu, uya kusala neshumi kwindlu kaSirayeli.

USirayeli makayifune iNkosi uYehova

4Ngokuba utsho uYehova kwindlu kaSirayeli, ukuthi, Quqelani kum, niphile;

5musani ukuquqela eBheteli, ningangeni eGiligali, ningaweleli niye eBher-shebha;
kuba iGiligali, inene, iya kuthinjwa, neBheteli ibe yinto engeyakonto.

6Quqelani kuYehova, naniya kuphila; hleze ayifikele indlu kaYosefu njengomlilo,
utshise, kungabikho uwucimela iBheteli,

7nina abo bajika okusesikweni kube ngumhlonyane, babukhahlele phantsi ubulungisa
emhlabeni.

8Quqelani kulowenza isiLimela namaKroza, uloguqula ithunzi lokufa libe ngumso,
imini ayenze mnyama, ibe bususuku; ulobiza amanzi olwandle, awathululele phezu
komhlaba: nguYehova igama lakhe.

9Ngulotshangazisa imbuqo phezu koliqele, imbuqo iyifikele inqaba.

UYehova ubuthiyile ubunewunewu, nentswela-bulungisa nohanahaniso kwezonqulo

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Bayamthiya owohlwayayo esangweni, bamenze isikizi othetha okugqibeleleyo.

11Ngako oko, ngenxa yokusigqusha kwenu isisweli, nithabàthe kuso unikelo lwengqolowa, niya kwakha izindlu ngamatye aqingqiweyo, ningahlali kuzo; nityale izidiliya ezinqwenelekayo, ningaseli wayini yazo.

12Kuba ndiyazazi izikreqo zenu ukuba zininzi kwazo, nezono zenu ukuba zikhulu kwazo; nibandezela ilungisa, nisamkele isicengo, nisijike isigwebo samahlwempu esangweni.

13Ngako oko, onengqiqo uthe cwaka ngeli xesha; kuba lixesha elibi eli.

14Funani okulungileyo, ningafuni okubi, ukuze niphile; aze uYehova, uThixo wemikhosi, abe nani, njengoko nitshoyo.

15Thiyani okubi, nithande okulungileyo, nimise okusesikweni esangweni; mhlawumbi uYehova, uThixo wemikhosi, wowababala amasalela kaYosefu.

16Ngako oko utsho uYehova, uThixo wemikhosi, iNkosi, ukuthi, Ezindaweni zonke zembutho kukumbambazela; ezitratweni zonke bathi, Yoo! yoo! Babizela umlimi esijwilini, babizela abasaziyo isimema, bathi, Mbambazelani.

17Ezidiliyeni zonke kukumbambazela, ngokuba ndicanda esazulwini sakho; utsho uYehova.

18Yeha ke, nina banqwenela imini kaYehova! Iyintoni na imini kaYehova kuni? Ibubumnyama, ayikukukhanya.

19Injengokuthi umntu abaleke engonyameni, aqubisane nebhere; angene endlwini, abambelele ngesandla eludongeni, inyoka imlume.

20Ayiyi kuba bubumnyama yini na imini kaYehova, ingabi kukukhanya? Ayiyi kuba sisithokothoko, yini na, ingabi nabumhlophe?

21Ndiyithiyile, ndiyayicekisa imithendeleko yenu; andilisezeli ivumba lengqungquthela.

22Ngokuba, xa nithe nandinyusela amadini anyukayo, neminikelo yenu yokudla, àkakholeki kum; nombingelelo wenu woxolo wamathole atyetyisiweyo àndiwubheki.

23Yisuse kum ingxokozelo yeengoma zakho, nokubetha kwemirhubhe yakho andikuphulaphuli.

24Makugalekele umgwebo njengamanzi, nobulungisa njengomlambo ongatshiyo.

25Imibingelelo neminikelo yokudla naniyizisa kum yini na entlango, iminyaka emashumi mané, ndlu kaSirayeli?

26Nasuka nathwala umnquba wokumkani wenu, noseko lwemifanekiso yenu, inkwenkwezi yoothixo benu, enazenzelayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Ndiya kunifudusela kude ke ngaphaya kweDamasko; utsho uYehova; nguThixo wemikhosi igama lakhe.

UAmosi 6

1Yeha ke abatyeshileyo eZiyon, nabakholose ngentaba yakwaSamari; abadumileyo ngamagama kwintlahlela yeentlanga, eza kubo indlu kaSirayeli!

2Welelani eKalene, nibone; nisuke khona niye eHamati enkulu, nihle niye eGati yamaFilisti; ukuba ilungile na loo mizi kunezikumkani; ukuba míkhulu na imida yayo kunemida yenu.

3Nina, bàba imini yokubi ikude, basondeza isihlalo sogonyamelo;

4nina, bàlele ezingqengqelweni zeempondo zeendlovu, banabe emandlalweni yabo, badle amatakane emhlambini, namathole asesitalini;

5nina, bàphololoza kukubetha umrhubhe, bazicingela ukwenza izinto zokuvuma njengoDavide;

6nina, baseli bewayini ngezitya zokutshiza zemibingelelo, bazithambise ngentlahlela yeoli, bangahlabeki kukwaphuka kukaYosefu.

Isohlwayo esoyikekayo siya kulandela

7Ngako oko baya kuthinjwa bemke ngoku, kwasentloko kubathinjwa, iphele ingxobotshane yabanabileyo.

8INkosi uYehova izifungile, utsho uYehova, uThixo wemikhosi; yathi, Lisikizi kum iqhayiya likaYakobi, ndizithiyile iingxande zakhe ezinde; ngako oko ndowunikela umzi nenzaliseko yawo.

9Kuya kuthi, ukuba kuthe kwasala amadoda alishumi ndlwini-nye, afe.

10Umntu wophakanyiswa nguyisekazi, umngcwabi wakhe, ukuba awakhuphe amathambo akhe endlwini, athi kosentla endlwini, Kusekho na okuwe? athi lowo, Akusekho nto; wóthi yena, Thwize; ngokuba alingekhankanywa igama likaYehova.

11Ngokuba, uyabona, uYehova uwisa umthetho, bayibethe indlu enkulu ibe ngamavithi, nendlu encinane ibe ziintanda.

12Amahashe ayabaleka na phezu kweengxondorha? bayalima na khona ngeenkomo? ukuba nikujike nje okusesikweni kube bubuhlungu, nesiqhamo sobulungisa sibe ngumhlonyane;

13nina bàvuyela okungelutho; bàthi, Sizenzela iimpondo ngawethu amandla.

14Ke yabonani, ndinivusela uhlanga, ndlu kaSirayeli; utsho uYehova, uThixo wemikhosi; luya kunixina, luthabathele ekuyiweni eHamati, luse esihlanjeni seArabha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UAmosi 7

Imibono yeenkumbi, yomlilo, neyelothe yokulungelelanisa

1Yenjenje ukundibonisa iNkosi uYehova: Yabona, idala imiqikela yeenkumbi
ekuqalekeni kokuhluma kwesihlabane sotyani; naso isihlabane eso, emva
kokusikelwa kokumkani ingca.

2Kwathi, yakugqiba ukuyidla imifuno yelizwe, ndathi mna, Nkosi Yehova,
khawuxolele; wóthini na uYakobi ukuma? kuba mncinane yena.

3Wazohlwaya uYehova ngenxa yoko: Oko akuyi kubakho; watsho uYehova.

4Yenjenje ukundibonisa iNkosi uYehova: Nantso iNkosi uYehova ibiza umlilo, ukuba
yohlwaye ngawo; wawagqiba amanzi amaninzi enzonzobila, wasitshisa
isahlulo sehlabathi.

5Ndathi, Nkosi Yehova, khawuyeke; wóthini na uYakobi ukuma? kuba mncinane
yena.

6Wazohlwaya uYehova ngenxa yoko: Nako oko akuyi kubakho; itsho iNkosi uYehova.

7Yenjenje ukundibonisa: Nantso iNkosi imi eludongeni olumpuluswa, iphethe
ngesandla ilothe yokulungelelanisa.

8UYehova wathi kum, Ùbona ntoni na, Amosi? Ndathi, Ilothe yokulungelelanisa. Yathi
iNkosi, Yabona, ndibeka ilothe esazulwini sabantu bam amaSirayeli; andiyi kubuya
ndiphinde ndidlule kubo.

9Ziya kuchithwa izigánga zakwaIsake, zibe ngamanxuwa iingcwele zakwaSirayeli,
ndisukèle phezulu kwindlu kaYarobheham ngekrele.

UAmatsiya umbingeleli utyhola uAmosi ngokwenza iyelenqe

10UAmatsiya, umbingeleli waseBheteli, wathumela kuYarobheham ukumkani
wakwaSirayeli, esithi, Ukucebile uAmosi esazulwini sendlu kaSirayeli; ilizwe
alinakuwanyamezela onke amazwi akhe.

11Ngokuba uAmosi utsho ukuthi, Úya kufa likrele uYarobheham, amaSirayeli aya
kuthinjwa, afuduswe emke elizweni lawo.

12Wathi uAmatsiya kuAmosi, Mboni, hamba, urhole uye ezweni lakwaYuda, udle
khona isonka sakho, uprofete khona;

13kodwa uze ungabi saphinda uprofete eBheteli, kuba yingcwele yokumkani khona,
yindlu yakomkhulu leyo.

UAmosi uthethela ubizo lwakhe lobuprofeti

14Waphendula uAmosi, wathi kuAmatsiya, Àndimprofeti, àndinyana wamprofeti;
ndingumalusi weenkomo, ndingumbuthi weziqhamo zomthombe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kuba uYehova wandithabatha ndisalusa umhlambi, uYehova wathi kum, Yiya
uprofete kubantu bam amaSirayeli.

16Ngoko ke live ilizwi likaYehova. Ùthi wena, Akuyi kuprofeta kumaSirayeli, akuyi
kuwisa ntetho kwindlu kaIsake.

17Ngako oko, utsho uYehova ukuthi, Umfazi wakho uya kuhenyuza phakathi komzi,
bawe likrele oonyana bakho neentombi zakho; umhlaba wakho wabiwe ngolutya, ke
wena ufèle emhlabeni oyinqambi; amaSirayeli aya kuthinjwa, afuduswe emke
elizweni lawo.

UAmosi 8

Umbono womnyazi weziqhamo zasehlotyeni

1Yenjenje ukundibonisa iNkosi uYehova: Nantso ingobozi ineziqhamo zasehlotyeni.

2Yathi kum, Ùbona ntoni na, Amosi? Ndathi, Ingobozi, ineziqhamo zasehlotyeni.
Wathi uYehova kum, Isiphelo sibafikele abantu bam amaSirayeli; andiyi kubuya
ndiphinde ndidlule kubo.

3Ziya kuba kukubhomboloza iingoma zetempile ngaloo mini; itsho iNkosi uYehova.
Zininzi izidumbu; uziqungquluzisile ezindaweni zonke; thwize!

4Yivani oku, nina bawazondayo amahlwempu, ukuba nibaphelise abaziintsizana
belizwe, nisithi,

5Kuya kugqitha nini na ukuthwasa kwenyanga, sithengise ngengqolowa? Iya kugqitha
nini na isabatha, sivule izisele zengqolowa, ukuze sinciphise iefa, sikhulise ishekele,
sigqwethe isikali, sibe sesokukhohlisa?

6ukuze sizithenge izisweli ngesilivere, namahlwempu ngeembadada ezimbini,
sithengise ngomdlungu wengqolowa?

7Úlifungile uYehova iqhayiya likaYakobi, esithi, Inyaniso, andiyi kuzilibala naphakade
izenzo zabo zonke.

8Aliyi kugungqa na ngenxa yoku ilizwe, benze isijwili bonke abemiyo kulo? aliyi
kunyuka na lonke liphela njengoMnayile, lisuke amadlu,
liwúthe njengoMnayile waseYiputa?

9Kothi ngaloo mini, itsho iNkosi uYehova, ndilitshonise ilanga emini enkulu, ndenze
ubumnyama ehlabathini ngemini elisileyo.

10Ndiya kuyijika imithendeleko yenu ibe sisijwili, neengoma zenu zonke zibe
sisimbonono; ndinxibe ezimnyama zokuzila ezinqeni zonke; ndichebe zonke iintloko,
ndikwenze konke oko, kube njengesijwili esenzelwa umntwana okuphela
kwamzeleyo, nokuphela kwako kube njengomhla okrakra.

Kuya kubakho indlala yamazwi kaYehova

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Yabonani, kuza imihla, itsho iNkosi uYehova, endiya kuthumela ukulamba kulo
ilizwe, kungabi kuko ukulambela isonka, kungabi kuko ukunxanela amanzi; kube
kukulambela ukuva amazwi kaYehova.

12Baya kubhadula bethabathela kolunye ulwandle, base kolunye ulwandle;
bethabathela entla, base empumalanga; betyhutyha, befuna ilizwi likaYehova,
bangalifumani.

13Ngaloo mini úya kuwa isiduli umthinjana omhle nomlisela, linxano.

14Bona abo bàfunga ityala lakwaSamari; bàthi, Ehleli nje uThixo wakho, Dan; bàthi,
Ihleli nje indlela yaseBher-shebha: bona baya kuwa, bangabi savuka.

UAmosi 9

Imigwebo yeNkosi ayinakuphetshwa

1Ndayibona iNkosi imi ngasesibingelelweni. Yathi, Zibethe iinqanam, inyikime
imigubasi yomnyango, uziqobe ezo zinto, ziwe entlokweni yabo bonke bephela,
ndibabulale abokugqibela babo ngekrele. Osabayo kubo akasayi kusinda, angasindi
nokuzisindisa kubo.

2Ukuba bathe bagqobhozela elabafileyo, sóbathabatha nakhona isandla sam; nokuba
bathe benyuka baya ezulwini, ndobahlisa nakhona.

3Nokuba bathe bazímela encotsheni yeKarmele, ndofuna, ndibathabathe nalapho;
nokuba bathe bazisithelisa phambi kwamehlo am emazantsi olwandle, ndoyiwisela
umthetho nalapho inyoka, ibalume.

4Nokuba bathe bathinjwa phambi kweentshaba zabo, ndoliwisela umthetho nalapho
ikrele, libabulale, ndiwamise kubo amehlo am, ukuba kube kubi, kungalungi.

5INkosi uYehova wemikhosi ngulophatha ilizwe, linyibilike, benze isijwili bonke
abemiyo kulo; linyuke lonke liphela njengoMnayile, libuye
liwúthe njengoMnayile waseYiputa;

6ngulowakhela emazulwini amagumbi akhe aphezulu, nophahla lwawo alusekele
phezu kwehlabathi; ngulobiza amanzi olwandle, awathululele phezu kwehlabathi:
nguYehova igama lakhe.

7Àninjengoonyana bamaKushi na kum, nina nyana bakaSirayeli? utsho uYehova.
Andiwanyusanga na amaSirayeli ezweni laseYiputa, amaFilisti eKafetori, ama-Aram
eKire?

8Yabonani, amehlo eNkosi uYehova asebukumkanini obonáyo, ndibutshabalalise,
bungabikho phezu komhlaba; kodwa andiyi kuyitshabalalisa iphele indlu kaYakobi;
utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ngokuba, yabonani, ndiwisa umthetho, ndiyihlungule indlu kaSirayeli ezintlangeni zonke, njengoko kuhlungulwa ingqolowa ngesihlungulo, kungawi nokhozo emhlabeni.

10Baya kufa ngekrele bonke aboni babantu bam; abo bathi, Abuyi kusifumana, abuyi kusithintela ububi.

Ukubuyiswa kukaSirayeli

11Ngaloo mini ndiya kuwuvusa umnquba kaDavide, lowo uwileyo, ndizivingce iintanda zawo, ndizivuse iindawo zawo ezigungxulweyo, ndiwakhe ube njengokwemihla yamandulo;

12ukuze bawathimbe amasalela akwaEdom, neentlanga zonke, ezibizwa ngegama lam; utsho uYehova okwenzayo oku.

13Yabonani, kuza imihla, utsho uYehova, aya kuthi afumanane umlimi nomvuni, umxovuli weediliya afumanane nomhlwayeli wembewu; iintaba zivuze incindi yeediliya, neenduli zonke zinyibilike.

14Ndiya kukubuyisa ukuthinjwa kwabantu bam amaSirayeli, bayakhe imizi engamanxuwa, bayihlale, batyale izidiliya, basele iwayini yazo, benze imiyezo, badle iziqhamo zayo.

15Ndobatyala emhlabeni wabo, bangabi sanyothulwa emhlabeni wabo endabanikayo; utsho uYehova uThixo wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UObhadiya

UObhadiya 1

Ikratshi likaEdom liya kuthotywa noSirayeli aphakanyiswe

1Umbono kaObhadiya. Itshilo iNkosi uYehova ngokusingisele kwelakwaEdom, ukuthi,
Sivé udaba oluvela kuYehova, kuthunywe isigidimi ezintlangeni sokuthi, Sukani nime,
sisukele phezulu kulo, silwe nalo.

2Yabonani, ndikwenzé wamncinane ezintlangeni, udelekile kakhulu.

3Ukukhukhumala kwentliziyo yakho kukulukuhlile, wena uhleliyo emfanteni
wengxondorha, okhaya liphezulu, othi entliziyweni yakhe, Ngubani na oya
kundihlisela ehlabathini?

4Ukuba ùthe wakhela phezulu njengexhalanga, nokuba ithe indlu yakho yabekwa
phakathi kweenkwenkwezi, ndokuhlisa nalapho; utsho uYehova.

5Ukuba amasela ebethe eza kuwe, ukuba amanyangaza ebethe eza ebusuku (hayi,
ukunqunyulwa kwakho!), ebengayi kuba anele na? Ukuba babethe beza kuwe
abavuni beediliya, babengayi kushiya okungàbhikicwayo na?

6Hayi, ukuphengululeka kwezinto zakwaEsawu! Hayi ukukhanukwa kwezinto zakhe
eziqhushekiweyo!

7Onke amadoda abenqophisene nawe akukhaphile, ada esa emdeni; akulukuhlile,
akweyisile amadoda abexolelene nawe. Isonka sakho asenze inxeba okulalwa ngalo,
phantsi kwakho. Akukho kuqonda kuye.

8Andiyi kuthi na ngaloo mini, utsho uYehova, ndizitshabalalise izilumko kwaEdom,
neengqondi ezintabeni zakwaEsawu?

9Aya kuqhiphuka umbilini amagorha akho, Teman, ukuze banqanyulwe bonke
ezintabeni zakwaEsawu ngokubulawa.

10Ngenxa yokumgonyamela kwakho umninawa wakho uYakobi, kuya kukugubungela
ukudana, unqanyulwe ngonaphakade.

11Ngemini owabumi malunga naye, mini abasemzini bathimba ubutyebi bakhe,
abolunye uhlanga béza emasangweni akhe, bayenzela amaqashiso iYerusalem: nawe
wawunjengomnye wabo.

12Musa ukukhangela kwimini yomninawa wakho ngemini yeshwangusha lakhe,
ungabavuyeleli oonyana bakaYuda ngemini yenkxwaleko yabo; ungàsineki ngemini
yembandezelo.

13Musa ukungena esangweni labantu bam ngemini yeshwangusha labo,
ungakhangeli nawe ebubini babo ngemini yeshwangusha labo, ungasi sandla
ebutyebini babo ngemini yeshwangusha labo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Musa ukuma ekwahlukaneni kweendlela, ukuze unqumle abasabayo bakubo;
ungabanikeli abaseleyo bakubo ngemini yembandezelo.

15Ngokuba isondele imini kaYehova kuzo zonke iintlanga. Njengoko wenzé ngako,
kuya kwenjiwa njalo kuwe; okwenzileyo kuya kubuyela entlokweni yakho.

16Ngokuba njengoko niselé ngako entabeni yam engcwele, ziya kuhlala zisela
ngokunjalo zonke iintlanga, zisèle zibizele, zibe njengabangàbángakho.

17Ke, entabeni yeZiyon kuya kubakho okusindileyo, kube yingcwele; indlu kaYakobi
izihluthe iindawo eyazihluthwayo.

18Indlu kaYakobi iya kuba ngumlilo, nendlu kaYosefu ibe lilangatye; indlu kaEsawu
ibe ziindiza, batshise phakathi kwabo, babadle, kungabikho usalayo wasendlwini
kaEsawu; ngokuba uYehova uthethile.

19Abakwelasezantsi bozithimba iintaba zakwaEsawu; nabasezithabazini bahluthe
amaFilisti; bahluthe isisimi sakwaEfrayim, nesisimi sakwaSamari; uBhenjamin ahluthe
elaseGiliyadi.

20Abathinjwa bakule mpi yonyana bakaSirayeli baya kubahlutha abangamaKanan,
bade base eTsarefa, abathinjwa baseYerusalem abaseSefaradi bahluthe imizi
yelasezantsi.

21Konyuka abasindisi entabeni yeZiyon, ukuze bazigwebe iintaba zakwaEsawu,
ubukumkani bube bobu kaYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYona

UYona 1

UYona uthunyelwa eNineve nguThixo

1Ke kaloku kwafika ilizwi likaYehova kuYona, unyana ka-Amitayi, lisithi,

2Suk' ume, uye eNineve, kuloo mzi mkhulu, umemeze ngawo; kuba iindawo zawo ezimbi zinyukile, zeza phambi kwam.

UYona uyasaba, inqanawa yakhe intlithwantlithwa luqhwithela

3Wesuka uYona, ebalekela eTarshishe, emka ebusweni bukaYehova. Wehla ke waya eYafo, wafumanana nenqanawa eya eTarshishe. Wayirhola ingqesho yayo, wehla, wangena kuyo, ukuze aye nabo eTarshishe, emke ebusweni bukaYehova.

4Ke uYehova wagalelekisa umoya omkhulu elwandle; kwabakho umoya omkhulu ovuthuzayo elwandle, inqanawa leyo yanga iza kwaphuka.

5Boyika oomateloshe, bakhala elowo kuthixo wakhe; bayijulela elwandle impahla ebisenqanaweni, ukuziphungulela bona. UYona ke wayehlé waya ezantsi enqanaweni, wasindwa bubuthongo walala.

6Wasondela kuye umphathi wababheqi, wathi kuye, Wènzani na, thongorhandini? Vuka, ubize kuThixo wakho; mhlawumbi uThixo angásikhumbula, singabhubhi.

7Bathi omnye komnye, Yizani, senze amaqashiso, sázi ukuba kungenxa kabani na ukuba sibe nobu bubi. Benza amaqashiso, iqashiso laphuma noYona.

8Bathi kuye, Khawusixelele, kungenxa kabani na ukuba sibe nobu bubi? úyintoni na umsebenzi wakho? ùvela phi na? liphi na ilizwe lakowenu? ùngowabaphi na abantu?

9Wathi kubo, NdingumHebhere; ndiyamoyika uYehova, uThixo wamazulu, owenza ulwandle, nomhlaba lo womileyo.

10Oyika amadoda lawo ngoloyiko olukhulu, athi kuye, Yintoni na le uyenzileyo? Ngokuba amadoda lawo ayesazi ukuba ubaleka emka ebusweni bukaYehova; kuba wayewaxelele.

UYona ujulelwa elwandle, aginywe yintlanzi

11Athi kuye, Masenze ntoni na kuwe, ukuze ulwandle ludambe, lusiyeke?

12Kuba ulwandle belusiya lusilwa. Wathi kuwo, Ndifunquleni, nindijulele elwandle, ludambe ulwandle, luniyeke; kuba ndiyazi, ukuba lo moya, mkhulu uvuthuzayo, ùphezu kwenu, úngenxa yam.

13Atyhudisa emazeni amadoda, ezama ukuyibuyisela emhlabeni owomileyo inqanawa; akhohlwa, kuba ulwandle lwaya lusilwa phezu kwazo ngeenxa zonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Anqula uYehova, athi, Gxebe, Yehova, masingafi, masingafi ngomphefumlo wale ndoda, ungalibeki phezu kwethu igazi elimsulwa; ngokuba wena, Yehova, wenzé ngokuthanda kwakho.

15Amfunqula ke uYona, amjulela elwandle; lwazola ulwandle, lwakuyeka ukujala kwalo.

16Amadoda amoyika uYehova ngoloyiko olukhulu, abingelela kuYehova umbingelelo, abhambathisa izibhambathiso.

17UYehova wamisela intlanzi enkulu ukuba imginye uYona. UYona waba sembilinini wentlanzi iimini ezintathu nobusuku obuthathu.

UYona 2

Umthandazo kaYona nokuhlangulwa kwakhe

1UYona wathandaza kuYehova uThixo wakhe embilinini wentlanzi, wathi, Ndakhala kuYehova ndisembandezelweni, Wandiphendula;

2Ndazibika ndisesiswini selabafileyo, Waliva wena ilizwi lam.

3Ngokuba wawundiphosa enzulwini, embilinini yeelwandle, Umlambo waba ngeenxa zonke kum; Adlula phezu kwam onke amaza akho alwayo, namaza akho agugumayo.

4Ndathi ke mna, Ndigxothiwe phambi kwamehlo akho; Noko ke ndiya kubuya ndibheke etempileni yakho engcwele.

5Andirhawula amanzi, ada eza emphefumlweni; Andijikeleza amanzi enzonzobila; Ingca yolwandle yayithi jize intloko yam.

6Ndehla ndaya ezikhondweni zeentaba; Lona ihlabathi, imivalo yalo yandivalela ngonaphakade; Wasuka wabunyusa emhadini ubomi bam, Yehova Thixo wam.

7Ekutyhafeni komphefumlo wam ngaphakathi kwam, ndakhumbula uYehova; Wafika kuwe umthandazo wam etempileni yakho engcwele.

8Abagciné amampunge angento yanto Bashiya inceba yabo

9Ke mna ndiya kubingelela kuwe ndinezwi lokubulela; Endakubhambathisayo ndiya kukuzalisa. Usindiso lukuYehova.

10UYehova wathetha nentlanzi, yamhlanzela uYona emhlabeni owomileyo.

UYona 3

UYona ushumayela eNineve; abantu bayaguquka

1Kwafika ilizwi likaYehova kuYona okwesibini, lisithi,

2Suk' ume, uye eNineve, kuloo mzi mkhulu, umemeze ngawo umemezo endithetha lona kuwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Wesuka ke uYona, waya eNineve ngokwelizwi likaYehova. Ke kaloku iNineve
ibingumzi omkhulu kuThixo, iluhambo lweentsuku ezintathu.

4UYona waqala wangena kuloo mzi uhambo losuku olunye, wamemeza, wathi, Zisaya
kuba ziintsuku ezimashumi mané, iNineve ibhukuqwe.

5Amadoda aseNineve akholwa kuThixo, amema uzilo, ambatha ezirhwexayo,
ethabathela kwabakhulu bawo, esa kwabancinane bawo.

6Lafika ilizwi elo kukumkani waseNineve; wesuka etroneni yakhe, wayisusa wayibeka
phantsi ingubo yakhe ende, wazigubungela ngezirhwexayo, wahlala phantsi
eluthuthwini.

7Wathi, makudandulukwe kutshiwo eNineve ngomthetho wokumkani nezikhulu
zakhe, ukuthi: Umntu nempahla enkulu, iinkomo nempahla emfutshane, mazingevi
nento; mazingadli, mazingaseli namanzi;

8maze azigubungele ngezirhwexayo umntu nempahla enkulu, akhale kuThixo
ngokunamandla, abuye elowo endleleni yakhe embi, elugonyamelweni olusezandleni
zakhe.

9Ngubani na owaziyo ukuba akangebuyi kanti azohlwaye uThixo, abuye ekuvutheni
komsindo wakhe, ukuze singabhubhi?

10UThixo wazibona izenzo zabo, ukuba babuyile ezindleleni zabo ezimbi; uThixo
wazohlwaya ngenxa yobubi, abethé uya kubenza kubo; àkabenza.

UYona 4

UYona ugxeka uThixo ngokwenza inceba

1Kwaba kubi kuYona kakhulu, wavutha ngumsindo.

2Wathandaza kuYehova, wathi, Camagu, Yehova! Labe lingelilo na ilizwi lam eli,
ndisesemhlabeni wakowethu? Ngenxa yoko ndaphanga ngokubalekela eTarshishe;
ngokuba ndandisazi ukuba ùnguThixo obabalayo, onemfesane, ozeka kade umsindo,
onenceba enkulu, ozohlwayayo ngenxa yobubi.

3Ke ngoku, Yehova, seluwuthabatha umphefumlo wam kum, kuba ukufa kum
kulungile kunokuba ndidle ubomi.

4Wathi uYehova, Uyalungisa na ukuthi oku, uvuthe ngumsindo?

5Waphuma ke uYona kuwo umzi, wahlala ngasempumalanga kuwo umzi, wazenzela
khona umnquba; wahlala ngaphantsi kwawo emthunzini, ukuze ade abone ukuba
kuya kuthekani na kuwo umzi.

Isifundo ngomhlavuthwa

© 1975 Bible Society of South Africa.

6UYehova uThixo wammisela umhlavuthwa; waphuma, wenyuka waba phezu koYona, ukuba ube ngumthunzi entlokweni yakhe, umhlangule ebubini bakhe. Wawuvuyela uYona umhlavuthwa lowo, wawuvuyela kakhulu.

7UThixo wamisela intlava, ukuthi qhiphu kokusa ngengomso, yabetha umhlavuthwa lowo, woma.

8Kwathi ekuphumeni kwelanga, uThixo wamisela ulophu lwasempumalanga; ilanga labetha kuYona entloko, wawa isiduli; wawucelela ukufa umphefumlo wakhe, wathi, Kulungile ukufa kum, kunokuba ndidle ubomi.

9Wathi uThixo kuYona, Ùyalungisa na ukuthi oku, uvuthe ngumsindo ngenxa yomhlavuthwa? Wathi, Ndìyalungisa ukuthi ndivuthe ngumsindo kude kuse ekufeni.

10Wathi uThixo, Wena unenceba ngomhlavuthwa, ongabulalekanga nguwo, ongawuhlumisanga, okhulé ngobusuku, wadaka ngobusuku:

11ndingàbi nanceba na ke mna ngenxa yeNineve, loo mzi mkhulu, unabantu abangaphezu kwekhulu elinamanci mabini amawaka, abangakwaziyo ukunene kwabo kwikhohlo labo; kwanempahla enkulu eninzi?

© 1975 Bible Society of South Africa.

UMika

UMika 1

Iziprofeto zokuchasa uSirayeli noYuda

1 Ilizwi likaYehova elafika kuMika waseMoreshete, ngemihla kaYotam, ka-Ahazi,
kaHezekiya, ookumkani bakwaYuda, awalibonayo ngokusingisele kwelakwaSamari
neYerusalem.

2 Yivani nonke, zizwe niphela; bazani indlebe, hlabathi nenzaliseko yalo; mayibe
lingqina iNkosi uYehova ngani, iNkosi etempileni yayo engcwele.

3 Kuba nanko uYehova ephuma endaweni yakhe, eya kuhla, anyathele phezu
kwemimango yehlabathi.

4 Ziya kunyibilika iintaba phantsi kwakhe, zicandeke izihlambo, njengomthwebeba
phambi komlilo, njengamanzi ephalazwé exandekeni.

5 Konke oko kungesikreqo sakwaYakobi, kungesono sendlu kaSirayeli. Ngubani na
obange isikreqo sakwaYakobi? AsingowakwaSamari na? Ngubani na obange izigánga
zakwaYuda? AsingowaseYerusalem na?

6 Ngoko ke ndolenza elakwaSamari libe yimfumba yamatye esisimi, libe ziindawo
zokutyala imidiliya; ndiwaphose amatye alo emfuleni, ndizityhile iziseko zalo.

7 Iya kuqotywa yonke imifanekiso yalo eqingqiweyo, lutshiswe ngomlilo lonke
utsheqo lwalo, ndizichithe zonke izithixo zalo; ngokuba lizibuthe ngotsheqo
lwehenyukazi, ziya kubuya ke zibe lutsheqo lwehenyukazi.

8 Ngoko ke ndiya kumbambazela, ndibhomboloze; ndiya kuhamba ndíbhunyulwe,
ndíshiywe ndizé; ndiya kukhala njengempungutye, ndilile njengenciniba.

9 Kuba amanxeba alo akanakunyangwa; ngokuba kude kwafika nakwaYuda, kwada
kwafika esangweni labantu bam eYerusalem.

Isililo ngokuwa kukaSirayeli

10 Musani ukukuxela eGati, musani ukulila nokulila; eBhetele-afra ndizigaléle
ngothuli.

11 Dlulani, bemi baseShafire, nihambe zé ngokulihlazo; abemi baseTsanan
abaphumanga; umbambazelo lwaseBhete-etsele lunihlutha ukuma kwenu kuyo.

12 Kuba abemi baseMaroti bazibhijabhija ngenxa yokulungileyo; kuba kuhlé ububi
buphuma kuYehova, beza esangweni leYerusalem.

13 Bophani iimbaleki ezinqwelweni zokulwa, bemi baseLakishe; ibikukuqala kwesono
entombini enguZiyon, ukuthi zifunyanwe kuyo izikreqo zakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ngako oko ùya kuyinika iMoreshete yaseGati inqakwe; izindlu zaseAkezibhi ziya
kuba ngumlambo okhohlisayo kookumkani bakwaSirayeli.

15Ndisaya kuyizisa indlalifa kuni, bemi baseMaresha; baya kufika eAdulam
abazukileyo bakwaSirayeli. Chebani, niziguye iintloko, ngenxa yoonyana beziyolo
zenu;

16kwenzeni banzi ukucheba kwenu, njengexhalanga; kuba bathinjiwe kuwe.

UMika 2

Isohlwayo sokunyoluka nengcinezelo

1Athi ke, abo bacinga ubutshinga, basebènze ububi ezililini zabo! abathi ekukhanyeni
kwengomso babenze, ngokuba isandla sabo singuthixo wabo.

2Banqwenela amasimi, bawahluthe; kwanezindlu, bazithabathe; bacudisa umfo
nendlu yakhe, indoda nelifa layo.

3Ngako oko utsho uYehova ukuthi, Yabonani, ndicinga ububi ngale mizalwane,
eningayi kuzirhola iintamo zenu kubo, ningahambi niqhankqalaza; kuba lixesha
lobubi.

4Ngaloo mini kuya kwenziwa umzekeliso ngani, bameme isimema, kuthiwe,
Kwenzekile; sìbhuqiwe sabhuqwa. Isahlulo sabantu bakowethu usananisile; hayi,
ukusísusa kwakhe kum! amasimi ethu úwabela amaphamba.

5Ngako oko akuyi kuba naye okuphosela ulutya kwiqashiso ebandleni likaYehova.

6Bathi, Musani ukuwisa intetho, bewisa intetho; ukuba àbathe bawisa intetho kubo
abo, akayi kubuya umva amahlazo.

7Wena kùthiwa ùyindlu kaYakobi, úyazekaneka na uMoya kaYehova? kukwenza
kwakhe na oku? Akalungisi na amazwi am kohamba ngokuthe tye?

8Izolo eli abantu bam basuke ngokotshaba; nibahluba ingubo ende yokwaleka
kwengaphantsi, ábadlula bekholosile, bengathandi kulwa.

9Abafazi babantu bam niyabagxotha ezindlwini zeziyolo zabo; ebantwaneni babo
nizithabathile izivatho zam ngonaphakade.

10Sukani, nihambe; kuba asiyiyo indawo yokuphumla kwenu le; ngenxa yobunqambi
bayo obonákalisayo, obonákalisayo kakhulu.

11Ukuba bekukho umntu ohamba nomoya, exokisa ngamanga, esithi, Ndiya kuwisa
intetho kuwe ngokusingisele kwiwayini, nakwisiselo esinxilisayo, ubeya kuba
ngumwisi-ntetho kwaba bantu.

Ukubuyiswa kwamasalela

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ndiya kukuhlanganisa okunene, Yakobi, uphela; okunene ndiya kuwabutha amasalela akwaSirayeli; ndiya kubenza babe banye, njengempahla emfutshane yaseBhotsera, njengomhlambi ophakathi kwedlelo lawo; baya kuxokozela ngokuba baninzi kwabantu.

13Únyuké phambi kwabo umgqobhozi; bayagqobhoza, bayangena esangweni, bayaphuma kwangalo; ukumkani wabo uhamba phambi kwabo, uYehova esentloko kubo.

UMika 3

Abalawuli abakhohlakeleyo nabaprofeti bobuxoki

1Ndathi, Khanive, zintloko zakwaYakobi, nani baphathi bendlu kaSirayeli; asikokwenu na ukukwazi okusesikweni?

2nina, bathiyi bokulungileyo, bathandi bokubi; nina bahlinzi bolùsu lwabantu, nenyama yabo emathanjeni abo;

3nina, bayidlileyo inyama yabantu bam; balobula ulùsu lwabo; bawaphula amathambo abo; bawaxhaxha ngathi ngawembiza, ngathi yinyama kungxawu.

4Baya kwandula bakhale kuYehova, angabaphenduli; asuke abusithelise ubuso bakhe kubo ngelo xesha, njengoko bazenzé zambi iintlondi zabo.

5Utsho uYehova ngokusingisele kubaprofeti ababandwendwisàyo abantu bakowethu; abathi, xa banokuhlafunwayo, baze bamemeze uxolo; bathi, osukuba engafaki nto emlonyeni wabo, bamngcwalisele imfazwe, ukuthi:

6Ngako oko niya kuba nobusuku, iphuthe imibono; nibe nobumnyama, kuphuthe ukuvumisa; litshone ilanga kubaprofeti, ibe mnyama imini kubo.

7Ziya kudana iimboni, babe neentloni abavumisi, bazigqubuthele iindevu bonke bephela; ngokuba kungekho mpendulo kaThixo.

8Ke mna ndizele ngamandla ngomoya kaYehova, ndizele kokusesikweni nobugora, ukuze ndimxelele uYakobi ukreqo lwakhe, uSirayeli isono sakhe.

9Khanive oku, nina zintloko zendlu kaYakobi, nani baphathi bendlu kaSirayeli, abakwenza amasikizi okusesikweni, bakujikajike konke okuthe tye;

10ábayakha iZiyon ngamagazi, neYerusalem ngobugqwetha.

11Iintloko zayo zigweba ngenxa yesicengo, nababingeleli bayo bayayala ngenxa yomvuzo, nabaprofeti bayo bavumisa ngenxa yemali; baze bayame ngoYehova, besithi, UYehova àkaphakathi kwethu, yini na? àsiyi kuzelwa bubi.

12Ngako oko, ngenxa yenu iya kulinywa iZiyon ibe yintsimi, iYerusalem ibe yimiwewe, intaba yayo indlu ibe yimimango yehlathi.

UMika 4

© 1975 Bible Society of South Africa.

Uxolo, ize iYerusalem ibe liziko lonqulo

1Ke kaloku, ekupheleni kwemihla, intaba yendlu kaYehova iya kuzinza encotsheni
yazo iintaba, yona iziphakamele iinduli, zibe ngumsinga izizwe ukuya kuyo.

2Ziya kuhamba iintlanga ezininzi, zithi, Hambani, sinyuke siye entabeni kaYehova,
endlwini yoThixo kaYakobi, ukuze asiyalele iindlela zakhe, sihambe ngomendo
wakhe; kuba uya kuphuma eZiyon umyalelo, nelizwi likaYehova eYerusalem.

3Úya kugweba phakathi kwezizwe ezininzi, ohlwaye iintlanga ezinamandla, ade ase
kùde; ziwakhande, amakrele azo abe ngamakhuba, nezikhali zazo zibe zizitshetshe
zokuthena imidiliya. Uhlanga aluyi kuphakamisela kuhlanga ikrele lalo, bangabi
safunda ukulwa.

4Baya kuhlala elowo phantsi komdiliya wakhe, naphantsi komkhiwane wakhe,
kungabikho uboyikisayo; kuba umlomo kaYehova wemikhosi uthethile.

5Kuba zonke izizwe zihamba, sona eso egameni lothixo waso; thina ke sihamba
egameni likaYehova uThixo wethu, ngonaphakade kanaphakade.

Iimbambano nezoyiso zeZiyon

6Ngayo loo mini, utsho uYehova, ndiya kubahlanganisa abaqhwalelayo, ndibabuthe
abagxothiweyo, nabendibaphethe kakubi;

7ndibenze abaqhwalelayo babe ngamasalela, nabakhweleliselwa kùde babe luhlanga
olunamandla, uYehova abe ngukumkani kubo entabeni yeZiyon, kususela ngoku kude
kuse ephakadeni.

8Wena ke, nqaba ende yomhlambi, nduli yentombi enguZiyon, luya kuza lufikelele
kuwe olwangaphambili ulawulo, lokuba bubukumkani bentombi enguYerusalem.

9Ngokunje ùkhalelani na ngoku kukhala? Akakho na ukumkani kuwe? Umcebisi
wakho ubhubhile na, ukuba ubanjwe nje kukuzibhijabhija, njengozalayo?

10Zibhijabhije, ubhanyalaze njengozalayo, ntombi inguZiyon; ngokuba ngoku ùya
kuphuma phakathi komzi, uhlale endle, ude uye eBhabheli; ùya kuhlangulwa khona;
úya kukukhulula khona uYehova esandleni seentshaba zakho.

11Ngoku ke kuhlanganisene iintlanga ezininzi ngawe, zisithi, Mayihlanjelwe, ayibone
amehlo ethu iZiyon.

12Ke zona ezi azizazi iingcinga zikaYehova, aziliqondi icebo lakhe; kuba uzibuthile
njengezithungu zesandá.

13Suk' ume, ubhule, ntombi inguZiyon, kuba uphondo lwakho ndilwenza isinyithi,
neempuphu zakho ndizenza ubhedu. Ùya kucola iintlanga ezininzi, uyisingele phantsi
kuYehova inzuzo yazo embi, ubusingele phantsi kwiNkosi yehlabathi lonke ubutyebi
bazo.

UMika 5

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kaloku ngungelanani, ntombi yongungelwano; bayasingqinga, babetha ngentonga esidleleni nakumgwebi wakwaSirayeli.

UMlawuli oya kuvela eBhetelehem

2Ke wena, Bhetelehem-efrata, ùmncinane kunokuba ubekho emawakeni akwaYuda, kuya kuphuma kuwe, eze ngenxa yam, oya kuba ngumlawuli kwaSirayeli, oziphumo zakhe zisusela kumandulo, zisusela kwimihla yasephakadeni.

3Ngako oko úya kubanikela kude kube lixesha lokuzala kozalayo, ade abuye amasalela abazalwana bakhe, kunye noonyana bakaSirayeli;

4úya kuma, aluse enamandla kaYehova, enobungangamsha begama likaYehova uThixo wakhe; bahlale; ngokuba ngoku úya kuba mkhulu, ese eziphelweni zehlabathi.

5Wóba luxolo lowo. Xa uAsiriya azileyo ezweni lakowethu, xa anyathelayo ezingxandeni zethu ezinde, siya kumisela abalusi abasixhenxe, neenkosi zabantu ezisibhozo, zimelane naye.

6Baya kulalúsa ilizwe laseAsiriya ngekrele, nelizwe lakwaNimrodi emasangweni alo; asihlangule kuma-Asiriya, xa azileyo ezweni lakowethu, xa anyathelayo emideni yethu.

7Amasalela akwaYakobi aya kuba phakathi kwezizwe ezininzi, njengombethe ophuma kuYehova, njengamathontsi emvula ebutyanini; engathembele mntwini, engalindele koonyana babantu.

8Amasalela akwaYakobi oba sezintlangeni, phakathi kwezizwe ezininzi, njengengonyama phakathi kweenyamakazi zehlathi; njengengonyama entsha phakathi kwemihlambi yeegusha, yona ithi, ìngàcanda kuzo, isuke inyhashe, iqwenge, kungabikho mhlanguli.

9Masiphakame isandla sakho, sibe phezu kwababandezeli bakho, zinqunyulwe zonke iintshaba zakho.

Ukuhlanjululwa kukaSirayeli nguYehova

10Kothi ngaloo mini, utsho uYehova, ndiwanqumle amahashe akho, angabikho phakathi kwakho, ndizitshabalalise iinqwelo zakho zokulwa.

11Ndoyinqumla imizi yelizwe lakowenu, ndizigungxule zonke iinqaba zakho;

12ndibanqamle abakhafuli, bangabikho esandleni sakho; amatola angabikho kuwe.

13Ndiya kuyinqumla imifanekiso yakho eqingqiweyo, nezimiso zakho zamatye, zingabikho phakathi kwakho; ungabi saqubuda kumsebenzi wezandla zakho.

14Ndobanyothula ooAshera bakho, bangabikho phakathi kwakho; ndiyitshabalalise imizi yakho. Ndiya kuphindezela ndinomsindo, ndíshushu ezintlangeni ezingevayo.

UMika 6

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukuphikisana kukaYehova nabantu bakhe

1Khanive akuthethayo uYehova; uthi, Suk' ume, ubambane neentaba, iinduli zilive
ilizwi lakho.

2Yivani, zintaba, ukubambana kukaYehova, nani zimakade, ziseko zehlabathi; kuba
uYehova ubambene nabantu bakhe, uya kuphikisana namaSirayeli.

3Bantu bam, ndenzé ntoni na kuni? Ndinidinisé ngantoni na?

4Ndíphenduleni. Ngokuba ndaninyusa ezweni laseYiputa, ndanikhulula endlwini
yamakhoboka, ndathuma phambi kwenu ooMoses, noAron, noMiriyam.

5Bantu bam, khanikukhumbule ukucebisa kukaBhalaki ukumkani wakwaMowabhi,
nokuphendula kukaBhileham unyana kaBhehori, ethabathela eShitim, wada wesa
eGiligali, ukuze niyazi imisebenzi kaYehova yobulungisa.

Unqulo oluyinyaniso

6Ndiya kumkhawulela uYehova ndinantoni na? Ndiye kuzigoba na kuThixo ophezulu?
Ndiya kumkhawulela ndinamadini anyukayo na, ndínamathole amnyaka mnye na?

7Wókholiswa na uYehova ngamawaka eenkunzi zezimvu, ngamawaka alishumi
emilambo yeoli? Ndorhola owamazibulo na ngenxa yesikreqo sam, isiqhamo
somzimba wam na ngenxa yesono somphefumlo wam?

8Ùxelelwe, mntundini, okulungileyo: akubizayo uYehova kuwe, kukuthi wenze
okusesikweni, uthande inceba, uhambe noThixo wakho ngokuthozamileyo.

Ukungathembeki nesohlwayo sako

9Izwi likaYehova libhekisa kuwo umzi ukubiza, igama lakho liyayibona eyona nto
iyiyo. Yiveni intonga, nalowo uyiyalelayo.

10Busekho na ubuncwane bokungendawo endlwini yongendawo, ne-efa edlekileyo,
ebhavunyelweyo?

11Ndoqaqamba na ndinesikali sokungendawo, ndinengxowa yamatye enkohliso?

12Kuba izityebi zakhona zizele lugonyamelo, nabemi bakhona bathethé ubuxoki,
nolwimi lwabo lubé lunenkohliso emlonyeni wabo.

13Nam ke ndikuxábele ngokubulalayo, ndikuphanzisile ngenxa yezono zakho.

14Wena uya kudla, ungahluthi, uhlale unephango; usabise, ungasindisi; nokusindileyo
ndikunikèle ekreleni.

15Wena uya kuhlwayela, ungàvuni; wena uya kuxovula umnquma, ungàzithambisi
ngeoli; uxovule iwayini entsha, ungàseli wayini.

16Bazigcinela imimiselo kaOmri, nezenzo zonke zendlu ka-Ahabhi, nisuke nihambe
ngamacebo abo; ukuze ndinènze nibe ngummangaliso, nabemi bayo babe
ngumsondlo; ngoko niya kuthwala ukungcikivwa kwabantu bam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UMika 7

Ukugonyamela nenkohlakalo eluntwini

1Athi ke mna! Kuba ndisuke ndaba njengokuhlanganiswa kweziqhamo zasehlotyeni,
njengokubhikicwa kweediliya; akukho sihloko sakudliwa; akukho khiwane liqalelayo,
linqwenelwayo ngumphefumlo wam.

2Udakile owenceba, àkabakho ehlabathini; akasekho nothe tye phakathi koluntu;
bonke bephela balalela igazi, elowo uzingela umzalwana wakhe ngomnatha.

3Izandla zabo zozibini zisentweni embi ukuba ziyifeze; uthi umthetheli acele
ngegunya, umgwebi enzele umvuzo; omkhulu yena uthetha ububi bomphefumlo
wakhe; benjenjalo ke ukuyiphotha.

4Olungileyo kubo unjengomtholo, othe tye ugqithisele nakuthango lweminga; iyéza
imini yababoniseli bakho, yokuvelelwa kwakho, kubekho ngoku ukudideka kwabo.

5Musani ukukholwa nguwenu, ningakholosi ngekholwane; nakolele esifubeni sakho,
zígcine iingcango zomlomo wakho.

6Ngokuba unyana úmenza isidenge uyise, intombi isukela phezulu kunina,
umolokazana kuninazala; iintshaba zomntu ngabantu bendlu yakhe.

Inkoloseko kaSirayeli kuThixo

7Mna ke ndiya kuqwalasela kuYehova; ndiya kulindela kuThixo wokusindiswa kwam;
úya kundiva uThixo wam.

8Musa ukundivuyelela, lutshaba lwam; kuba, ndíwile nje, ndiya kubuya ndivuke;
kuba, ndíhleli emnyameni nje, uYehova uya kuba kukukhanya kum.

9Ukujala kukaYehova ndiya kukuthwala, kuba ndonile kuye, ade andithethelele
etyaleni lam, andilungisele; uya kundikhuphela ekukhanyeni; ndiya kububona
ubulungisa bakhe.

10Ke utshaba lwam luya kubona, lugutyungelwe kukudana, obe lusithi kum, Uphi na
uYehova, uThixo wakho? Amehlo am aya kulubona; kungoku luya kunyathelwa
njengodaka lwezitrato.

11Iyéza imini yokwakhiwa kweendonga zakho; ngaloo mini úya kuba kude ummiselo.

12Ngaloo mini boza kuwe, bevela eAsiriya nasemizini yaseYiputa, bethabathela
eYiputa, bade base kuwo uMlambo; bethabathela elwandle, base elwandle;
bethabathela entabeni base entabeni.

13Kuya kuba senkangala elizweni, ngenxa yabemi balo, ngenxa yeziqhamo zeentlondi
zabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Yalusa abantu bakho ngentonga yakho, iigusha zelifa lakho, ezihleli zodwa,
ehlathini phakathi kweKarmele; mazidle eBhashan nakwelaseGiliyadi, ngokweemini
zasephakadeni.

15Ngokweemini zokuphuma kwakho ezweni laseYiputa, ndiya kubabonisa imisebenzi
ebalulekileyo.

16Iintlanga ziya kubona, zibudanele ubugorha bazo bonke; ziya kubeka isandla
emlonyeni, iindlebe zazo ziya kuba zizithulu.

17Ziya kukhotha uthuli njengenyoka, njengezinambuzane zehlabathi; ziya kuphuma
zigungqa ekuvingcelweni kwazo; ziya kuya zinkwantya kuYehova uThixo wethu,
zoyike phambi kwakho.

Iinceba zikaThixo ezingenamlinganiselo

18Ngubani na onguThixo onjengawe, oxolela ubugwenxa, adlule esikreqweni
samasalela elifa lakhe? Akawugcini unaphakade umsindo wakhe; kuba yena uthanda
ukwenza inceba.

19Wóbuya abe nemfesane kuthi, abunyathelele phantsi ubugwenxa bethu;
wòziphosa ezinzulwini zolwandle zonke izono zabo.

20Ùya kumnika uYakobi inyaniso, umnikeuAbraham inceba, owabafungela yona
oobawo kususela kwimihla yamandulo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UNahum

UNahum 1

Umsindo wokuphindezela kukaYehova

1 Isihlabo esisingisele kwiNineve. Incwadi yombono kaNahum wase-Elekoshe.

2 UYehova nguThixo onobukhwele, ophindezelayo; uYehova ngumphindezeli
obushushu bukhulu; uYehova ngumphindezeli kubachasi bakhe, ezigcinela iintshaba
zakhe umsindo wakhe.

3 UYehova uzeka kade umsindo, mkhulu ke ngamandla, ongakhe amenze
msulwa onetyala; uYehova, indlela yakhe isesivunguvaneni naseluqhwitheleni,
namafu aluthuli lweenyawo zakhe.

4 Ukhalimela ulwandle, alutshise, ayomise nemilambo yonke; intshwenyile iKarmele
neBhashan, intshwenyile intyantyambo yaseLebhanon.

5 Iintaba ziyanyikima phambi kwakhe, neenduli ziyanyibilika; liyafukuka ihlabathi
ebusweni bakhe, elimiweyo nabemi bonke abakulo.

6 Ngubani na ongémayo phambi kobhavumo lwakhe? Ngubani na ongáziphakamisayo
ekuvutheni komsindo wakhe? Ubushushu bakhe buphalazeka njengomlilo, namawa
ayadilizwa nguye.

7 UYehova ulungile, uligwiba ngemini yembandezelo; uyabazi abazimela ngaye.

8 Ke uyayiphelisa indawo yayo ngomkhukula ehamba phandle, azisukele iintshaba
zakhe emnyameni

9 Nicinga ntoni na ngoYehova? Uyaphelisa yena; imbandezelo ayisayi kuphakama
izihlandlo ezibini.

10 Kuba bofanelana bephinyelene ngokweziphingo, benxila yiwayini yabo emnandi:
baya kudliwa kuphele, njengeendiza ezomileyo.

11 Kuphume kuwe ocinga okubi ngoYehova, oceba ubutshijolo.

Ukuwa kweNineve

12 Utsho uYehova ukuthi, Noko bapheleleyo, bebaninzi nokuba baninzi, baya kusikwa
noko benjalo, badlule. Ndikucinezele nje, andiyi kuphinda ndikucinezele.

13 Ngoku ke ndiya kuyaphula idyokhwe yakhe, ingabikho kuwe; ndiziqhawule izitropu
zakho.

14 Ke uYehova uwise umthetho ngawe, wokuba akusayi kuba sahlwayelwa nto
inegama lakho; endlwini yothixo wakho ndowunqumla umfanekiso oqingqiweyo
notyhidiweyo; ndiya kulenza ingcwaba lakho; kuba wafunyanwa ulula.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Yabonani, zisezintabeni iinyawo zabashumayela iindaba ezilungileyo, abavakalisa usindiso. Yenza imithendeleko yakho, Yuda, zalisa izibhambathiso zakho; ngokuba akasayi kubuya acande kuwe olitshijolo; únqunyulwe kwaphela.

UNahum 2

Ukuwa kweNineve nokutshatyalaliswa kwayo

1Kunyuké umhlekezi, weza phambi kwakho, Nineve; londoloza inqaba yakho, bonisela endleleni, qinisa izinqe, khupha amandla kunene.

2Ngokuba uYehova ulibuyele iqhayiya lakwaYakobi ngokweqhayiya lakwaSirayeli; ngokuba abathi qongqololo bathe qongqololo; bawonakalisile amasebe abo emidiliya.

3Ingweletshetshe yamagorha akhe yenziwe ingqombela, amadoda anobukroti athiwe wambu ngezibomvu; iinqwelo zokulwa zinomlilo ophuma ezintsimbini ngemini yokuxhoba kwakhe, izinto zemisipres ziyatyityimba.

4Iinqwelo zokulwa ziyadlongozela ezitratweni, ziyagilana emabaleni; ukubonakala kwazo kunjengezikhuni ezitshangaziswayo, zibaleka njengemibane.

5Úkhumbulé iingangamsha zakhe; ziya kukhubeka ekuhambeni kwazo; zingxamela eludongeni lwayo, selimisiwe ikhuselo.

6Amasango àsemilanjeni avuliwe, linyibilikile ibhotwe.

7Kugqityiwe kwelokuba iya kuhlutywa, imkiswe, nabakhonzazana bayo badumzele ngokwelizwi lamavukuthu, bebetha ezifubeni zabo.

8INineve injengechibi lamanzi, kususela koko yabakhoyo; bayabaleka noko; kuba angàthiwa, Yimani, yimani! hayi, akubikho uphethulayo.

9Phangani isilivere, phangani igolide; akunakuphela ukuxhotyiswa ngobuninzi beempahla zonke ezinqwenelekayo.

10Kuthe qongqololo, kwathi qongqololo, kwaba selubala; intliziyo inyibilikile, amadolo ayagevezela; yinimba emanqeni onke, ubuso bonke buphela buba luthuthu.

11Siphi na isikhundla seengonyama, nedlelo elo leengonyama ezintsha, ebilihamba ingonyama induna nengonyamakazi, ithole lengonyama, kungekho wothusayo?

12Ingonyama le iqwenga okwanele amathole ayo, ikrwitshele iingonyamakazi zayo, izalise imingxuma yayo ngexhoba, nezikhundla zayo ngento eqwengiweyo.

13Uthi uYehova wemikhosi, Yabona, ndikuchasile; ndozitshisa iinqwelo zakho zokulwa zibe ngumsi, ikrele lizidle iingonyama zakho ezintsha; ndilinqumle ehlabathini ixhoba lakho, lingabi savakala izwi labathunywa bakho.

UNahum 3

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukutshatyalaliswa okulusizi kweNineve

1Yeha, umzi wamagazi! Úzele kwaphela luhanahaniso nakukudlavula; akumki kuwo
ukuqwenga.

2Isithonga seziniya, nesithonga sokugoqoza kweevili, nokuphala kwamahashe,
nokuxhuma kweenqwelo zokulwa;

3abamahashe besenza amagqasi, ukubengezela kwamakrele, nokumenyezela
kwezikhali; ukuba baninzi ababuleweyo, izigigaba zabafileyo; ewe, azinakuphela
izidumbu; bayakhubeka ezidumbini zabo;

4ngenxa yobuninzi bezihenyuzo zehenyukazi elihle, elinesoya, umnikazi-kukhafula,
othengisa iintlanga ngezihenyuzo zakhe, nemizalwane ngokukhafula kwakhe.

5Uthi uYehova wemikhosi, Yabona, ndikuchasile; ndozityhila iingubo zakho,
ndiziphose phezu kobuso bakho, ndizibonise iintlanga ubuzé bakho; ndizibonise
izikumkani ukucukucezwa kwakho.

6Ndiya kukugalela ngezinto ezinezothe, ndikwenze inqambi, ndikwenze ube
njengento ebonelwayo.

7Kuya kuthi, bonke abakubonayo bakubaleke, bathi, INineve ibhuqekile; ngubani na
oya kuyikhuza? ndokufunela phi na abathuthuzeli?

8Ùyidlule ngokulunga yini na iNoka-Amon, eyamisa emijelweni yoMnayile, amanzi
engeenxa zonke kuyo; elungqameko lwayo ibilulwandle, udonga lwayo lululwandle?

9Ayengamandla ayo amaKushi kwanamaYiputa, engenakuphela ndawo ke; amaPuti
namaLubhi avengabancedisi bayo.

10Nayo ke leyo yafuduswa, yathinjwa, neentsana zayo zacunyuzwa ezimbonjeni
zezitrato zonke; amadoda azukileyo kuyo bawenzela amaqashiso; bonke abakhulu
kuyo babakhonkxa ngemixokelelwane.

11Nawe lo ùya kunxila, ùya kufihlakala; nawe lo ùya kufuna igwiba ngenxa yotshaba.

12Zonke iinqaba zakho ziyimikhiwane enamakhiwane aqalelayo; ukuba avuthululwe,
owá emlonyeni wowadlayo.

13Yabona, abantu bakho bangamankazana phakathi kwakho apho; avulekile
amasango elizwe lakho, avulekela iintshaba zakho; umlilo utshisa imivalo yakho.

14Zikhelele amanzi angqingo, qinisa iinqaba zakho; ngena eludakeni, uxovule
udongwe; lungisa iziko lokutshisa izitena.

15Khona apho umlilo uya kukutshisa; ikrele liya kukunqumla, liya kukudla
njengenkumbi ekhothululayo. Zándíse njengenkumbi ekhothululayo, zándíse
njengenkumbi eyandayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ùbandisile ke abarhwebi bakho ngaphezu kweenkwenkwezi zezulu; inkumbi ekhothululayo igalelekile, yabhunyula, yabaleka yemka.

17Abalúluhle bakho banjengeenkumbi ezandayo, abathetheli bakho banjengemiqikela, ngemiqikela yeenkumbi, ezilalisa ezintangweni mhla ngengqele; lithi lingaphuma ilanga, zibaleke zimke, ingazeki indawo yazo, ukuba ziphi na.

18Balele abalusi bakho, kumkani Asiriya; zilele phantsi iingangamsha zakho; bathe phangalala abantu bakho ezintabeni, akukho ubabuthayo.

19Àkuhlangani ukwaphuka kwakho; inxeba lakho lelibulalayo. Bonke abazivayo iindaba zakho babetha izandla ngawe; ngokuba ngubani na ezingadlulanga phezu kwakhe izinto zakho ezimbi ngamaxesha onke?

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHabhakuki

UHabhakuki 1

Umprofeti ukhalazela uYehova ngokunyamezela kwakhe inkohlakalo

1 Isihlabo awasibonayo uHabhakuki umprofeti.

2 Kunini na, Yehova, ndizibika, ungeva; ndikhala kuwe ndisithi, Ugonyamelo,
ungàsindisi?

3 Yini na ukuba undikhangelise ubutshinga, ukondele okubi? Yimbuqo nogonyamelo
phambi kwam; kukho ubambano, kuphakamé ingxabano.

4 Ngenxa yoko úyekelelwe umyalelo, ukuze kungaveli naphakade okusesikweni; kuba
abangendawo bayawarhawula amalungisa; ngenxa yoko okusesikweni kuphuma
kujikekile.

AmaKaledi axhoxhwa ukuze ohlwaye uYuda

5 Khangelani phakathi kweentlanga, nondele, ningakhulumi nokukhuluma; ngokuba
ndiya kusebenza umsebenzi ngemihla yenu, eningayi kukholwa nguwo, nokuba
niyawubaliselwa.

6 Kuba, yabonani, ndixhoxha amaKaledi, uhlanga olulugcalagcala, oluyintshakavula;
oluhamba nobubanzi behlabathi, ukuze luhluthe amakhaya angewalo.

7 Luyadengisa, luyoyikeka; kuphuma kwakulo okusesikweni kwalo, nokuphakama
kwalo.

8 Anamendu ngaphezu kwezingwe amahashe alo, aqubula ngaphezu kweengcuka
zangokuhlwa. Bayaphalisa abamahashe balo; abamahashe balo beza bevela kude,
bee tshwebelele njengexhalanga elikhawulezayo ukuza kundla.

9 Bonke bephela beza ngokugonyamela; ubuso babo buzamela phambili;
bahlanganisa abathinjwa njengentlabathi.

10 Bona bacukuceza ookumkani, nezidwangube ziyintlekisa kubo; bona bayazihleka
iinqaba zonke; bafumba uthuli, bazithi hlasi.

11 Baya kwandula bakhukule ngokomoya, badlule, bazeke ityala; la mandla abe
nguthixo wabo.

Umprofeti uyakhalaza kuThixo ngokunginiza kwamaKaledi

12 Wena akunguye na owasusela kwakumandulo, Yehova, Thixo wam, ungoyiNgcwele
wam? Asiyi kufa. Yehova, ubamiséle ukuba bagwebe; Liwa, ùbaseké ukuba
bohlwaye.

13 Wena ungomehlo ahlambulukileyo, ukuba angayikhangeli into embi, ukuba ungabi
nakukondela okubi; ùbondéle ngani na ke abanginizi, ukuba uthi cwaka
njeongendawo emginya olilungisa kunaye?

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ulwenzé ke uluntu lwanjengeentlanzi zaselwandle, njengezinambuzane ezingenamlawuli.

15Bonke bephela babanyusa ngeqherhu labo; babaqweqwedisa ngomnatha wabo, babahlanganise ngomnathakazi wabo; ngenxa yoko bayavuya, bagcobe.

16Ngenxa yoko babingelela kumnatha wabo, baqhumisele kumnathakazi wabo; kuba sityebé ngezo zinto isahlulo sabo, nokudla kwabo kwaba ngamanqatha ngazo.

17Baya kuwukhuphela na ngenxa yoko umnatha wabo, bahlale bebulala iintlanga, bangacongi na?

UHabhakuki 2

UYehova uyaphendula evakalisa ilishwa labenzi bobubi

1Ndiya kuma emboniselweni yam, ndizibeke phezu kwenqaba, ndibonisele, ukuba ndiyibone into aya kuyithetha kum, nento endiya kuphendula yona ngenxa yesimangalo sam.

2Wandiphendula ke uYehova, wathi, Bhala umbono, uwukrole kakuhle emacwecweni, ukuze abaleke owulesayo.

3Kuba umbono usaya kuba ngowexesha elimisiweyo, ukhawulezela ekupheleni, angàthethi wona amanga; ukuba úthe wazilazila, wulinde, kuba úya kuza, awuyi kubuya umva.

4Yabona, úgxalathelene, àwuthe tye, umphefumlo wakhe phakathi kwakhe; ke lona ilungisa liya kudla ubomi ngokholo lwalo.

5Naphezu koko, iwayini ngumtshinizisi, umfo okhukhumeleyo, akahlali; yena owandisileyo umbilini wakhe njengelabafileyo, abe enjengokufa, engàneliswa, koko ezihlanganisela kuye iintlanga zonke, azibuthele kuye izizwe zonke.

6Aziyi kuwenza umzekeliso ngaye yini na, zonke ezo ziphela, zimkwekwele, zimntsonkothele, zisithi, Uha, lowo wandisa okungekwakhe! (kunini na?) esenjenjalo ezisindanisa ngezibambiso?

7Abakudlayo abayi kusuka beme ngesiquphe yini na, bavuke abakuqungaqungayo, ube ngamaxhoba kubo?

8Ekubeni wena ubhunyule iintlanga ezininzi, aya kukubhunyula onke amasalela ezizwe, ngenxa yamagazi oluntu, nangenxa yokuligonyamela kwakho ilizwe, nomzi, nabemi bawo bonke.

9Yeha, oyizuzela indlu yakhe inzuzo embi, ukuze ayakhele phezulu indlu yakhe, ukuze azihlangule esandleni sobubi!

10Ùyicebele ihlazo indlu yakho, ngokunqamla izizwe ezininzi; wònile kumphefumlo wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ngokuba ilitye eliseludongeni liya kukhala, nomqadi womthi usabele kulo.

12Yeha ke, owakha umzi ngamagazi, oqinisa umzi ngobugqwetha!

13Yabona, akuphumi kuYehova wemikhosi na ukuthi izizwe zizixhamlele umlilo, izizwe zizityhafisele okulambathayo?

14Kuba ihlabathi liya kuzala kukwazi ubuqaqawuli bukaYehova, njengamanzi egubungele ulwandle.

15Yeha, wena useza ummelwane wakho, usongezelela ubushushu bakho kuye, umnxilisa nokumnxilisa, ukuze ubondele ubuzé bakhe!

16Ùya kuhluthiswa ngocukucezo, kungabi luzuko; sela nawe, kubonakale ukungaluki kwakho. Iya kujikela kuwe indebe yesokunene isandla sikaYehova, ucukucezo olukhulu lube phezu kozuko lwakho.

17Ngokuba ukuyigonyamela kwakho iLebhanon kókugubungela; nokuchithachitha kwakho iinyamakazi, okwaziqhiphula umbilini; ngenxa yamagazi oluntu, nangenxa yokuligonyamela kwakho ilizwe, nomzi, nabemi bawo bonke.

18Únceda ntoni na umfanekiso oqingqiweyo, ukuba awuqingqe nje umenzi wawo? Únceda ntoni na otyhidiweyo, nomyali wobuxoki, ukuba umyili wento ayiyilileyo akholose nje ngayo, ukuze enze izinto ezingento, ezizidenge?

19Uha, kothi emthini, Vuka! athi kwilitye elithe cwaka, Suk' ume! Lingáyala na? Nalo, lifakwe egolideni nasesilivereni; akukho nto ingumoya phakathi kwalo.

20UYehova ke yena usetempileni yakhe engcwele; malithi tu ebusweni bakhe lonke ihlabathi.

UHabhakuki 3

Ukuthandaza nokukholosa kukaHabhakuki ngoThixo

1Umthandazo kaHabhakuki umprofeti, ngeshigayon:

2Yehova, ndiluvile udaba lwakho, ndoyika; Yehova, wuphilise umsebenzi wakho phakathi kweminyaka, Wázise phakathi kweminyaka; Ekugugumeni kwakho khumbula inceba.

3UThixo uza evela kwaTeman, OyiNgcwele evela ezintabeni zaseParan. *(Phakamisani.)* Igubungele amazulu indili yakhe, Ihlabathi lizele yindumiso yakhe.

4Ubumhlophe bakhe busuke baba njengokukhanya; Yimithi emacaleni akhe; Kulapho ke ukuzimela kwamandla akhe.

5Phambi kwakhe kuhamba indyikitya yokufa, Kulandele icesina ezinyaweni zakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Úmi, walishukumisa ihlabathi; Úkhangele, wazishukumisa iintlanga; Zaba nkumenkume iintaba zanini, Zasibekeka iinduli zasephakadeni; Iindlela zakhe yena zisephakadeni.

7Ndiboné iintente zakwaKushan zisenkathazweni; Amalengalenga elizwe lakwaMidiyan adidizela.

8Yabe iyimilambo na, Yehova, Yabe iyimilambo, kusini na, owavutha ngayo na umsindo wakho? Yabe ilulwandle, kusini na, Owaphuphumela lona umsindo wakho, Ukuze nje ukhwele emahasheni akho, Ezinqwelweni zakho zokusindisa?

9Sizihlubile sazihluba isaphetha sakho; Zifungelwe ilizwi iintonga zokohlwaya. *(Phakamisani.)* Ihlabathi uligqobhoza imilambo.

10Zikubonile, ziyankwantya iintaba, Kudlule isiphango samanzi; Amanzi anzongonzongo akhupha isandi sawo, Aziphakamisela phezulu izandla zawo.

11Latshona ilanga nenyanga ekhayeni lazo, Ngokukhanya kweentolo zakho ezihambayo, Ngobumhlophe bokubengezela kwezikhali zakho.

12Ùlinyathela ilizwe ubhavuma, Unyhashe iintlanga unomsindo.

13Ùphuma ukuba usindise abantu bakho, Ukuba usindise umthanjiswa wakho; Uphaluse intloko endlwini yongendawo, Usihlube isiseko sakhe, ude use entanyeni. *(Phakamisani.)*

14Ùyihlaba ngeentonga zakhe intloko yezimpi zakhe, Ezigalelekayo zisiza kundichitha; Ezikuvuyelela kwazo ngathi ziza kudla olusizana entsithelweni.

15Ùnyathela ulwandle ngamahashe akho, Isiyaluyalu samanzi amaninzi.

16Ndithe ndakuva, saxuxuzela isisu sam, Umlomo wam wabebezela seso sithonga; Kwangena impehla emathanjeni am, ndagungqa apho ndimi khona; Ukuba ndilindèle imini yembandezelo, Eza ebantwini oya kubangenela.

17Nokuba umkhiwane awusayi kutyatyamba, Kungabikho ndyebo emidiliyeni; Nokuba isiqhamo somnquma asiyi kuba siso, Amasimi angabi nakudla, Iphele esibayeni impahla emfutshane, Kungabikho nkomo esitalini:

18Mna ke ndiya kudlamka ndikuYehova, Ndigcobe ndikuThixo umsindisi wam.

19Úngamandla am uYehova iNkosi; Uzenza iinyawo zam, zibe njengezamaxhamakazi, Andinyathelise emimangweni yam. Kumongameli owokubethelwa izinto ezineentambo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UZefaniya

UZefaniya 1

Umgwebo kaYehova uhla phezu koYuda neYerusalem

1 Ilizwi likaYehova elafika kuZefaniya unyana kaKushi, unyana kaGedaliya, unyana ka-
Amariya, unyana kaHezekiya, ngemihla kaYosiya unyana ka-Amon, ukumkani
wakwaYuda.

2 Ndiya kususa ndiyisuse into yonke ehlabathini; utsho uYehova.

3 Ndiya kususa abantu neenkomo; ndiya kususa iintaka zezulu, neentlanzi zolwandle;
nezikhubekiso kunye nabangendawo; ndibanqamle abantu emhlabeni; utsho
uYehova.

4 Ndiya kusolula isandla sam phezu koYuda, naphezu kwabemi bonke baseYerusalem,
ndinqamle kuyo le ndawo amasalela akwaBhahali, negama lababingeleli
abangengabo, kunye nababingeleli;

5 nabaqubuda kumkhosi wezulu phezu kwezindlu, nabaqubudi abazinikela kuYehova
ngesifungo, bafunge ukumkani wabo;

6 nababuya umva kuYehova, nabangàmfunanga uYehova, abangàmquqelanga.

7 Yithini tu ebusweni beNkosi uYehova; ngokuba isondele imini kaYehova; kuba
uYehova ulungise umbingelelo, ungcwalise abamenywa bakhe.

8 Kuya kuthi ngemini yombingelelo kaYehova, ndibavelele abathetheli, noonyana
bokumkani, nabo bonke abambatha izambatho zolunye uhlanga.

9 Ndobavelela ngaloo mini bonke abatsiba embundwini womnyango, abazalisa indlu
yenkosi yabo ngogonyamelo nenkohliso.

10 Kothi ngaloo mini, utsho uYehova, kuvele izwi lokukhala esangweni leentlanzi,
kuvele nokubhomboloza kwesesibini isahlulo somzi, kuvele ukuqhekeka okukhulu
ezindulini.

11 Bhombolozani, bemi basemgongxweni, kuba badakile bonke abantu bakwaKanan,
banqunyulwe bonke abathwali besilivere.

12 Kuya kuthi ngelo xesha, ndiyigquthagquthe iYerusalem ndinezibane, ndiwavelele
amadoda agovalele ezintsipheni zawo; atshoyo ukuthi ezintliziyweni zawo, UYehova
akenzi kulungileyo, akenzi nakubi.

13 Ubutyebi bawo buya kudywidwa, nezindlu zawo zibe ngamanxuwa; akhe izindlu,
angazihlali; atyale izidiliya, angayiseli iwayini yazo.

14 Isondele imini enkulu kaYehova, isondele, ikhawulezile kakhulu. Yivani, imini
kaYehova! Liyakhala ngokukrakra khona igorha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Loo mini yimini yokuphuphuma komsindo, yimini yembandezelo nocutheko, yimini yentshabalala yakwantshabalala, yimini yobumnyama nesithokothoko, yimini yamafu, namafu amnyama;

16yimini yesigodlo nokuhlaba umkhosi emizini enqatyisiweyo, naseluqoqweni olude.

17Ndiya kubabandezela abantu, bahambe ngokweemfama, kuba bonile kuYehova; liphalàzwe igazi labo njengothuli, nenyama yabo njengobulongo.

18Nesilivere yabo negolide yabo ayisayi kuba nako ukubahlangula ngemini yokuphuphuma komsindo kaYehova; lotshiswa lonke ihlabathi ngumlilo wekhwele lakhe. Ngokuba uya kubaphelisa, inene, abènze into ekhwankqisayo bonke abemi behlabathi.

UZefaniya 2

Umgwebo uhla phezu kweentlanga ezinobutshaba ezijikelezileyo

1Zihlanganiseni nizihlanganise, luhlangandini lungadaniyo,

2ungekazali ummiselo (kuba imini le idlula njengomququ), kungekanifikeli ukuvutha komsindo kaYehova, ingekanifikeli imini yomsindo kaYehova.

3Funani uYehova, nonke balulamileyo belizwe, bakwenzileyo okusesikweni kwakhe; funani ubulungisa, funani ululamo, mhlawumbi nòsitheliswa ngemini yomsindo kaYehova.

4Ngokuba iGaza iya kuba sisishiywa, neAshkelon ibe linxuwa; iAshdode iya kugxothwa emini emaqanda, inyothulwe iEkron.

5Uha, abemi becandelo laselwandle, uhlanga lwamaKreti! Ilizwi likaYehova lichasene nani, Kanan, lizwe lamaFilisti. Ndokutshabalalisa ke, kungabikho ukúmayo.

6Icandelo laselwandle liya kuba ngamakriwa, nemiqolomba yabalusi, libe zizibaya zempahla emfutshane.

7Loba licandelo lamasalela endlu yakwaYuda; aya kwalúsela kulo, abuthe ezindlwini zaseAshkelon ngokuhlwa; kuba uya kuwavelela uYehova uThixo wawo, akubuyise ukuthinjwa kwawo.

8Ndikuvile ukungcikiva kukaMowabhi, nokunyelisa koonyana baka-Amon, ababangcikive ngako abantu bam, bazikhulisa emdeni wabo.

9Ngako oko, ndihleli nje, utsho uYehova wemikhosi, uThixo kaSirayeli, inene, elakwaMowabhi liya kuba njengeSodom, neloonyana baka-Amon libe njengeGomora, libe lilifa lamarhawu, libe sisigingqi setyuwa, kube senkangala kulo, kude kuse ephakadeni. Amasalela abantu bam aya kubaphanga, amaqongqolo ohlanga lwam abadle ilifa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuya kuba njalo kubo ngenxa yekratshi labo, ngokuba bengcikivile, bazikhulisa
kubantu bakaYehova wemikhosi.

11Uyoyikeka uYehova kubo; kuba uyabangcungcuthekisa bonke oothixo behlabathi,
ziqubude kuye zonke iziqithi zeentlanga, elowo esendaweni yakhe.

12Nani maKushi, ningababuleweyo ngekrele lam.

13Úya kusolula isandla sakhe ngakwelisentla, ayitshabalalise iAsiriya, ayenze ibe
linxuwa iNineve, ayenze umqwebedu onjengentlango.

14Iya kubutha phakathi kwayo imihlambi, izinto eziphilileyo nokuba ziziphi, ziziimfidi;
ingcwangube nokhwalimanzi balale emanqanamini; kobakho lizwi leemvumi
ezifestileni, amazala emibundwini yeminyango; ngokuba ewuhlubile umsebenzi
wabo wemisedare.

15Nguwo lowo umzi obudlamkile, obuhleli ukholosile, obusithi entlizityweni yawo,
Ndim kwaphela, akukho wumbi. Útheni na ukuba ube linxuwa, ube sisikhundla
samarhamncwa! Bonke abadlulayo kuwo benza umsondlo, baphekuze ngesandla
sabo.

UZefaniya 3

Isono seYerusalem nobulungisa bukaThixo

1Yeha, umzi oneenkani, ongcolileyo, oxinzelela phantsi!

2Awuphulaphulanga lizwi; awamkelanga ngqeqesho; awukholosanga ngoYehova,
awusondelanga kuThixo wawo.

3Abathetheli bawo phakathi kwawo baziingonyama ezibharhulayo; abagwebi bawo
baziingcuka zangokuhlwa, ezingabeki nto ukuze ziyigunuze kwakusa.

4Abaprofeti bawo bayaxhaphazela, ngamadoda anginizayo; ababingeleli bawo
bayayihlambela ingcwele, bagonyamela umyalelo.

5UYehova ulilungisa esazulwini sawo; akenzi ngabugqwetha; imisó ngemisó ukumisa
emhlotsheni okusesikweni kwakhe, angasileli; ke yena onobugqwetha akakwazi
ukudana.

6Ndizinqámle iintlanga, zichithakele iingqoqo zezindlu zazo. Ndizonakalisile izitrato
zazo, ukuba kungabikho udlula ngazo; idilikile imizi yazo, ukuba kungabikho mntu,
kungabikho umiyo kuyo.

7Ndathi kodwa, Mawundoyike, uyamkele ingqeqesho, lingànqanyulwa ikhaya lakho,
njengako konke endakumisela khona; ke bavuka kusasa, bonakalise ngeentlondi zabo
zonke.

Ukubuyiswa kwamasalela kaSirayeli

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ngako oko yilindeleni kum, utsho uYehova, ide ibe yimini yokuvuka kwam, ndithimbe. Ngokuba kulunge kum ukuhlanganisa iintlanga, ndibuthe izikumkani, ukuze ndiyiphalaze ingqumbo yam phezu kwazo, konke ukuvutha komsindo wam; kuba liya kutshiswa ngumlilo wekhwele lam lonke ihlabathi.

9Kuba ngelo xesha ndiya kuziguqulela izizwe intetho enyulu, ukuze zinqule igama likaYehova zonke ziphela, zimkhonze ngaxhatha linye.

10Ziya kuthabathela phesheya kwemilambo yakwaKushi, zibazise abandithandayo, intombi yeentsali zam, bengumnikelo wam wokudla.

11Ngaloo mini akuyi kudana ngenxa yeentlondi zakho zonke, owakreqa ngazo kum; ngokuba ngelo xesha ndiya kubasusa phakathi kwakho abadlamkileyo bakho, benekratshi, ungaphindi uzidle ngokwakho entabeni yam engcwele.

12Kanjalo ndiya kusalisa phakathi kwakho abantu abaziintsizana, abazizisweli, abaya kuzímela egameni likaYehova.

13Amasalela akwaSirayeli akayi kwenza ngobugqwetha, akayi kuthetha amanga, aluyi kufumaneka emlonyeni wawo ulwimi lwenkohliso; ngokuba wona aya kudla, abuthe, kungabikho uwothusayo.

14Memelela, ntombi inguZiyon: duma, Sirayeli; vuya, udlamke ngentliziyo yonke, ntombi inguYerusalem.

15UYehova ukususile ukugwetywa kwakho, úzidedisile iintshaba zakho; ukumkani wakwaSirayeli, uYehova, uphakathi kwakho; akusayi kuba sabona bubi.

16Ngaloo mini baya kuthi kwiYerusalem, Musa ukoyika; Ziyon, mazingawi izandla zakho.

17UYehova uThixo wakho uphakathi kwakho, ligorha elisindisayo; únemihlali ngawe, enovuyo; úthe cwaka eluthandweni lwakhe, ugcoba ngawe ememelela.

18Ndiya kubahlanganisa abalilela umthendeleko, bengabakuni; ingcikivo ibaphethe.

19Yabona, ndiya kubenza ngendawo bonke abacinezeli bakho ngelo xesha; ndiyisindise into eqhwalelayo, ndiyihlanganise into egxothiweyo; ndibenze indumiso negama emazweni onke abahlaziswa kuwo.

20Ngelo xesha ndiya kunizisa, ndinibuthe ngexesha elililo; ngokuba ndiya kunenza nibe negama, nidunyiswe phakathi kwezizwe zonke zehlabathi, ekukubuyiseni kwam ukuthinjwa kwenu phambi kwamehlo enu; utsho uYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UHagayi

UHagayi 1

UHagayi ukhuthaza abantu ukuba bayakhe itempile

1Ngomnyaka wesibini kaDariyo ukumkani, ngenyanga yesithandathu, ngosuku
lokuqala enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova ngoHagayi umprofeti,
kuZerubhabheli unyana kaShalatiyeli, ibamba lakwaYuda, nakuYoshuwa unyana
kaYotsadaki, umbingeleli omkhulu, lisithi,

2Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Aba bantu báthi, Asikabi lixesha lokuba
kuziwe, asikabi lixesha lokuba yakhiwe indlu kaYehova.

3Kwafika ke ilizwi likaYehova ngoHagayi umprofeti, lisithi,

4Lixesha na kuni nina, lokuba nihlale ezindlwini zenu zalekiwe, ibe le ndlu yam yona
ilinxuwa?

5Kaloku ke, utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Zigqaleni iindlela zenu.

6Nahlwayela kakhulu, ningenisé kancinane; niyadla, ningahluthi; nisela, ninganeli
kukusela; nambatha, ningevi ntsitho; noziqeshisayo uziqeshisela ukuba agalele
engxoweni enezikroba.

7Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Iindlela zenu zigqaleni.

8Nyukani niye kweleentaba, nize nemithi, niyakhe indlu le; ndokholiswa ke yiyo,
ndizizukise; utsho uYehova.

9Nalindela into eninzi, nantso isuke yaba yinto encinane; nithe nakùza nayo ekhaya,
ndayiphephetha. Ngani ke? utsho uYehova wemikhosi; ngenxa yendlu yam, yona le
ilinxuwa, nibe nina elowo ebalekela endlwini yakhe.

10Ngenxa yoko, ngenxa yenu, izulu liyala nombethe, nomhlaba wala neendyebo
zawo.

11Ndabiza ukoma phezu kwelizwe, naphezu kweentaba, naphezu kwengqolowa,
naphezu kwewayini entsha, naphezu kweoli, naphezu kwezinto zonke eziphuma
emhlabeni, naphezu kwabantu, naphezu kweenkomo, naphezu kokuxelenga konke
kwezandla.

UZerubhabheli noYoshuwa baqala ukwakha

12Baliphulaphula ke ooZerubhabheli unyana kaShalatiyeli, noYoshuwa unyana
kaYotsadaki, umbingeleli omkhulu, namasalela onke abantu, ilizwi likaYehova uThixo
wabo, ngokwamazwi kaHagayi umprofeti, njengoko wayemthumile uYehova uThixo
wabo; boyika abantu ebusweni bukaYehova.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Wakuthetha uHagayi umthunywa kaYehova ukuthunywa kwakhe nguYehova ebantwini, wathi, Ndináni, utsho uYehova.

14UYehova wawuvuselela umoya kaZerubhabheli unyana kaShalatiyeli, ibamba lakwaYuda, nomoya kaYoshuwa unyana kaYotsadaki, umbingeleli omkhulu, nomoya wamasalela onke abantu. Beza ke, bawenza umsebenzi endlwini kaYehova wemikhosi, uThixo wabo,

15ngosuku lwamashumi omabini anesiné lwenyanga yesithandathu, ngomnyaka wesibini kakumkani uDariyo.

UHagayi 2

UHagayi uyaphinda akhuthaze abakhi

1Ngenyanga yesixhenxe, ngosuku lwamashumi amabini analunye enyangeni leyo, kwafika ilizwi likaYehova ngoHagayi umprofeti, lisithi,

2Khawuthethe kuZerubhabheli unyana kaShalatiyeli, ibamba lakwaYuda, nakuYoshuwa unyana kaYotsadaki, umbingeleli omkhulu, nakumasalela abantu, uthi,

3Ngubani na kuni apha oseleyo, owayibonayo le ndlu isesebuqaqawulini bayo bokuqala? Niyibona iyintoni na ke ngoku? Àyinjengento engento na emehlweni enu?

4Noko ke ngoku yomelela, Zerubhabheli, utsho uYehova; womelelé, Yoshuwa nyana kaYotsadaki, mbingeleli mkhulu; nomelele, nonke bantu belizwe, utsho uYehova, nisebenze; ngokuba ndináni, utsho uYehova wemikhosi.

5Ilizwi elo, ndànqophisana nani ngalo ekuphumeni kwenu eYiputa, ndisaligcinile, noMoya wam umi phakathi kwenu; musani ukoyika.

6Ngokuba uYehova wemikhosi utsho ukuthi, Kusaya kuba kanye, umzuzwana ke, ndinyikimise izulu, nehlabathi, nolwandle, nomhlaba owomileyo;

7ndizinyikimise zonke iintlanga, zifike izinto ezinqwenelekayo zeentlanga zonke, ndiyizalise le ndlu ngobuqaqawuli; utsho uYehova wemikhosi.

8Isilivere yeyam, igolide yeyam; utsho uYehova wemikhosi.

9Buya kuba bukhulu ubuqaqawuli bamva bale ndlu, ngaphezu kobokuqala, utsho uYehova wemikhosi; kuyo ke le ndawo ndiya kunika uxolo; utsho uYehova wemikhosi.

Ukohlwayelwa ukungathembeki

10Ngosuku lwamashumi omabini anesiné lwenyanga yesithoba, ngomnyaka wesibini kaDariyo, kwafika ilizwi likaYehova ngoHagayi umprofeti, lisithi,

11Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Khawubuze umyalelo kubabingeleli, uthi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Yabonani, umntu ephethe inyama engcwele ngesondo lengubo yakhe, afike ngesondo lakhe esonkeni, nasentweni ephekiweyo, nasewayinini, naseolini, nasentweni nokuba yiyiphi edliwayo, yongcwaliseka na? Baphendula ababingeleli bathi, Hayi.

13Wathi ke uHagayi, Ukuba úthe wafika oyinqambi ngenxa yomfi, kwezo zinto zonke, zoba ziinqambi na? Baphendula ababingeleli bathi, Zoba ziinqambi.

14Waphendula uHagayi wathi, Banjalo ke aba bantu, lunjalo ke olu hlanga ebusweni bam; utsho uYehova; unjalo ke wonke umsebenzi wezandla zabo, nento abayisondezayo khona apho iyinqambi.

15Kaloku ke khanigqale, nithabathele kule mini, nibhekise emva, kungekabekwa litye lityeni etempileni kaYehova;

16nithabathèle kwelo xesha, xa umntu ebefike esitheni esimilinganiso imashumi mabini, asuke afumane libe linye ishumi; xa ebefika emkhumbini wokukhongozela iwayini, eza kukha imilinganiso emashumi mahlanu, asuke afumane amashumi amabini.

17Ndanibetha ngembabala, nangexoshomba, nangesichotho, kuyo yonke imisebenzi yezandla zenu; noko ke akubangakho namnye kuni ubuyela kum; utsho uYehova.

18Khanigqale, nithabathele kule mini, nibhekise emva, nithabathele kusuku lwamashumi omabini anesiné lwenyanga yesithoba kususela kuloo mini yokusekwa kwetempile kaYehova; gqalani ke.

19Isekho yini na imbewu eqongeni? Hayi, akuxakathanga nto, kude kwesa kumdiliya, nomkhiwane, nomrharnate, nomnquma. Ndithabathele kule mini, ndiya kusikelela.

Idinga likaThixo kuZerubhabheli

20Kwafika ilizwi likaYehova ngokwesibini kuHagayi, ngosuku lwamashumi omabini anesiné enyangeni leyo, lisithi,

21Thetha kuZerubhabheli ibamba lakwaYuda, uthi, Ndiya kulinyikimisa izulu nehlabathi,

22ndiyibhukuqe itrone yezikumkani, ndikutshabalalise ukomelela kwezikumkani zeentlanga; ndizibhukuqe iinqwelo zokulwa nabakhweli bazo, kuwé amahashe nabakhweli bawo; elowo awiswe likrele lowabo.

23Ngaloo mini, utsho uYehova wemikhosi, ndiya kukuthabatha, Zerubhabheli nyana kaShalatiyeli, mkhonzi wam, utsho uYehova, ndikumise ngokomsesane wokutywina; kuba ndikunyúle; utsho uYehova wemikhosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UZekariya

UZekariya 1

UYehova ukhalimela abantu

1Ngenyanga yesibhozo, ngomnyaka wesibini kaDariyo, kwafika ilizwi likaYehova
kuZekariya unyana kaBherekiya, unyana kaIdo, umprofeti, lisithi:

2UYehova waye enoburhalarhume obukhulu kooyihlo.

3Yithi ke kubo, Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Buyelani kum, utsho uYehova
wemikhosi; ndobuyela kuni, utsho uYehova wemikhosi.

4Musani ukuba njengooyihlo, ababebizwa bona ngabaprofeti bangaphambili, besithi,
Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Khanibuye ngoku ezindleleni zenu ezimbi
nasezintlondini zenu ezimbi; ke àbaphulaphula, àbandibazela ndlebe; utsho uYehova.

5Ooyihlo baphi na? nabaprofeti baya kudla ubomi ngonaphakade na?

6Kodwa amazwi am, nemimiselo yam, endayimisela abakhonzi bam abaprofeti,
ayibafumananga na ooyihlo? ukuze babuye bathi, Njengoko wakunkqangiyelayo
uYehova ukuba akwenze kuthi, ngokweendlela zethu nangokweentlondi zethu,
wenjénjalo kuthi.

Umbono kaZekariya wamahashe

7Ngosuku lwamashumi omabini anesiné lwenyanga yeshumi elinanye, inyanga
enguShebhati, ngomnyaka wesibini kaDariyo, kwafika ilizwi likaYehova kuZekariya
unyana kaBherekiya, unyana kaIdo, umprofeti, lisithi,

8Ndiboné ebusuku, nanko umntu ekhwele ehasheni elibomvu; waye ke emi phakathi
kwemimirtile ebisenyobeni, ngasemva kwakhe ingamahashe, abomvu, nangwevu,
namhlophe.

9Ndathi, Ngoobani na aba, nkosi yam? Sathi kum isithunywa ebesithetha nam,
Ndokubonisa ukuba ngoobani na aba.

10Waphendula umntu obemi phakathi kwemimirtile wathi, Aba ngabathunywe
nguYehova, ukuba balihambahambe ihlabathi.

11Basiphendula isithunywa sikaYehova ebesimi phakathi kwemimirtile, bathi,
Silihambahambile ihlabathi, nalo lonke ihlabathi lihleli lizolile.

Udaba oluthuthuzelayo kwiZiyon

12Saphendula ke isithunywa sikaYehova, sathi, Yehova wemikhosi, koba nini na
ungàsikwa yimfesane wena, ngenxa yeYerusalem nemizi yakwaYuda,
owayibhavumelayo le minyaka imashumi asixhenxe?

13UYehova wasiphendula isithunywa esibe sithetha nam, ngamazwi alungileyo,
ngamazwi athuthuzelayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Sathi kum isithunywa esibe sithetha nam, Memeza uthi, Utsho uYehova wemikhosi
ukuthi, Ndinekhwele, ikhwele elikhulu, ngeYerusalem nangeZiyon.

15Ndinoburhalarhume obukhulu kuzo iintlanga ezihleli ngokonwaba; ngokokuba
bendinoburhalarhume mna umzuzwana, ke zona zongezelelela ububi.

16Ngako oko, utsho uYehova ukuthi, Ndiyibuyele iYerusalem ngemfesane; indlu yam
iya kwakhelwa khona, utsho uYehova wemikhosi; ulutya lokulinganisa luya kolulwa
phezu kweYerusalem.

17Buya umemeze, uthi, Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Imizi yam isaya kuphalala
okulungileyo; uYehova usaya kuyithuthuzela iZiyon, ayinyule iYerusalem.

Umbono weempondo nabakhandi-zintsimbi

18Ndaphakamisa amehlo am, ndakhangela, nanzo iimpondo, ziné.

19Ndathi kwisithunywa esibe sithetha nam, Ziyintoni na ezi? Sathi kum, Ezi
ziimpondo ezichithachithe uYuda, uSirayeli, neYerusalem.

20UYehova wandibonisa iingcibi zokukhanda, ziné.

21Ndathi, Aba bazé kwenza ntoni na? Sathetha sathi, Ezi ziimpondo ezichithachithe
uYuda, ngokokude kungabikho bani uphakamisa intloko yakhe; aba ke bazé
kuzothusa, baziwise phantsi iimpondo zeentlanga, eziphakamise uphondo ezweni
lakwaYuda, ukuba zilichithachithe.

UZekariya 2

Umbono wendoda enolutya lokulinganisa

1Ndaphakamisa amehlo am, ndakhangela, Nanko umntu ephethe ngesandla ulutya
lokulinganisa.

2Ndathi ke, Ùya ngaphi na? Wathi kum, Ndiya kulinganisa iYerusalem, ndibone ukuba
bungakanani na ububanzi bayo, bungakanani na ubude bayo.

3Naso ke isithunywa esibe sithetha nam siphuma, kuphuma nesinye isithunywa,
sisiya kusikhawulela.

4Sathi kuso, Gidima, uthethe nalaa ndodana, uthi, IYerusalem iya kuhlala
ngokwamaphandle, ngenxa yobuninzi babantu neenkomo eziphakathi kwayo.

5Ndiya kuba ludonga lomlilo kuyo mna ngeenxa zonke, utsho uYehova; ndibe
bubuqaqawuli phakathi kwayo.

Izibele zikaYehova kwiZiyon

6Wenani! wenani! Sabani ezweni langasentla, utsho uYehova; ngokuba
ndiniphangalalisa njengemimoya yominé yezulu; utsho uYehova.

7Wa, Ziyon! Zísindise, wena uhleli nentombi enguBhabheli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ngokuba utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Úndithume ukuphuthuma uzuko
ezintlangeni ezanibhunyulayo; ngokuba onichukumisayo, uchukumisa ukhozo lweliso
lakhe.

9Ngokuba, uyabona, ndiya kulingisa ngesandla sam kuzo, zibe ngamaxhoba
kwababezikhonza; názi ukuba uYehova wemikhosi undithumile.

10Memelela uvuye, ntombi inguZiyon; ngokuba, uyabona, ndiyeza, ndihlale phakathi
kwakho; utsho uYehova.

11Kuya kuthelela kuYehova iintlanga ezininzi ngaloo mini, zibe ngabantu bam,
ndihlale phakathi kwakho; wazi ukuba uYehova wemikhosi undithumele kuwe.

12UYehova uya kumdla ilifa uYuda, isahlulo sakhe emhlabeni ongcwele, abuye
ayinyule iYerusalem.

13Mayithi tu yonke inyama phambi koYehova; ngokuba esukile ekhayeni lakhe
elingcwele.

UZekariya 3

UYoshuwa, umbingeleli omkhulu, ngumqondiso kaHlumelo

1Wandibonisa uYoshuwa umbingeleli omkhulu, emi phambi kwesithunywa
sikaYehova, uSathana emi ngasekunene kwakhe, ukuze amchase.

2Wathi uYehova kuSathana, UYehova makakukhalimele, Sathana; akukhalimele
uYehova oyinyulileyo iYerusalem; lo àkasikhuni esirholwe emlilweni na?

3UYoshuwa ke ebambethe iingubo ezingcolileyo; wema ke phambi kwesithunywa.

4Saphendula sathetha nabemiyo phambi kwaso, sathi, Zisuseni iingubo ezingcolileyo
kuye. Sathi ke kuye, Yabona, ndibususile ubugwenxa bakho kuwe, ndikwámbese
ngezinqabileyo.

5Ndathi ke, Mabambeke unkontsho oluhlambulukileyo entloko. Bambeka ke
unkontsho oluhlambulukileyo entlokweni yakhe, bamambesa ngeengubo; saye
isithunywa sikaYehova simi.

6Isithunywa sikaYehova saqononondisa kuYoshuwa, sathi,

7Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Ukuba uthe wahamba ngeendlela zam, ukuba
uthe wasigcina isigxina sam, wòyilawula wena indlu yam, wòzigcina neentendelezo
zam, ndikunike ukuhamba phakathi kwaba bemiyo apha.

8Khawuphulaphule ke Yoshuwa, mbingeleli mkhulu, wena nabalingane bakho
abahlala phambi kwakho; ngokuba ngamadoda asisimanga. Ngokuba, uyabona, ndiya
kuzisa umkhonzi wam onguHlumelo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ngokuba nalo ilitye endalibeka phambi koYoshuwa; lityeni linye kobakho amehlo asixhenxe; yabona, ndikrola ukrolo lwalo, utsho uYehova wemikhosi, ndisuse ubugwenxa beli lizwe ngamininye.

10Ngaloo mini, utsho uYehova wemikhosi, niya kubizelana phantsi komdiliya naphantsi komkhiwane.

UZekariya 4

Umbono wesiphatho-sibane segolide nemithi yomnquma

1Sabuya isithunywa esibe sithetha nam, sandivusa njengomntu ovuswa ebuthongweni bakhe.

2Sathi kum, Ubona ntoni na? Ndathi ke, Ndibona, nanko kukho isiphatho sesibane segolide sonke siphela, sineselwa laso phezu kwentloko yaso, sinezibane zaso ezisixhenxe phezu kwaso, zinamajelo asixhenxe ngasixhenxe ezibane eziphezu kwentloko yaso;

3neminquma emibini kuso, omnye ungasekunene kweselwa, omnye ungasekhohlo kwalo.

4Ndaphendula ndathi kwisithunywa esibe sithetha nam, Ziyintoni na ezi zinto, nkosi yam?

5Saphendula isithunywa esibe sithetha nam, sathi kum, Akuzazi na ukuba ziyintoni na ezi zinto?

6Ndathi, Hayi, nkosi yam. Saphendula sathi kum, Nali ilizwi likaYehova kuZerubhabheli, lisithi, Àkungabukroti, àkungamandla; kungoMoya wam; utsho uYehova wemikhosi.

7Ùngubani na wena, ntaba inkulu, phambi koZerubhabheli? Yiba sisithabazi; yena uya kulivelisa ilitye lochochoyi, kunkqangazwa kusithiwa, Ubabalo, ubabalo malube kulo.

8Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

9Izandla zikaZerubhabheli ziyisekile le ndlu; izandla zakhe ziya kuyigqiba; wazi ukuba uYehova wemikhosi undithumele kuni.

10Ngokuba ngubani na owoyidela imini yezinto ezincinane? Aya kuyibona ngovuyo ilothe yokulungelelanisa esandleni sikaZerubhabheli, kwawona osixhenxe amehlo kaYehova; ayawutyhutyha umhlaba wonke.

11Ndaphendula ndathi kuso, Iyintoni na le minquma mibini, ngasekunene kwesiphatho sesibane nangasekhohlo kuso?

12Ndaphendula okwesibini, ndathi kuso, Ziyintoni na ezi mbaxa zimbini zeminquma, zikufuphi nemiboko emibini yegolide, ethulula ioli ebugolide kuzo?

13Sandiphendula, sathi, Akuzazi na ukuba ziyintoni na ezi zinto?

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ndathi, Hayi, nkosi yam. Sathi kum, Aba babini ngabeoli, abema ngakwiNkosi yehlabathi lonke.

UZekariya 5

Umbono wencwadi esongwayo ephaphazelayo

1Ndabuya ndawaphakamisa amehlo am, ndakhangela, nantso incwadi esongwayo, iphaphazela.

2Sathi kum, Ùbona ntoni na? Ndathi, Ndibona incwadi esongwayo iphaphazela; ubude bayo buziikubhite ezimashumi mabini, nobubanzi bayo buziikubhite ezishuminye.

3Sathi kum, Eso ke sisishwabulo esiphuma sihambe phezu kwelizwe lonke; ngokuba bonke abebàyo baya kutshayelwa apha ngokokwayo; bonke abafungàyo baya kutshayelwa ngaphaya ngokokwayo.

4Ndisikhuphile, utsho uYehova wemikhosi; siya kungena endlwini yesela, nasendlwini yolifungayo ngobuxoki igama lam, silalise endlwini yakhe, siyigqibe nemithi yayo namatye ayo.

Umbono we-efa nomfazi

5Saphuma isithunywa esibe sithetha nam, sathi kum, Khawuwaphakamise amehlo akho, ukhangele ukuba iyintoni na leyo iphumayo.

6Ndathi ke, Yintoni na? Sathi, Yiefa leya iphumayo. Sathi, Yimbonakalo yabo leya ezweni lonke.

7Nanko, kuphakama isiciko selothe, kuhleli umfazi phakathi kwe-efa.

8Sathi, NguNgendawo lowo; samphosa phakathi kwe-efa, saliphosa ilitye lelothe emlonyeni wayo.

9Ndawaphakamisa ke amehlo am, ndakhangela, nanko kuphuma abafazi ababini, umoya usemaphikweni abo; amaphiko abo abenjengamaphiko engwamza, bayithwala iefa phakathi komhlaba nezulu.

10Ndathi kwisithunywa esibe sithetha nam, Bayisa phi na iefa abayá?

11Sathi kum, Baya kumakhela indlu ezweni leShinare; ithi yakugqitywa, bambeke khona esizeni sakhe.

UZekariya 6

Umbono weenqwelo namahashe

1Ndabuya ndawaphakamisa amehlo am, ndakhangela, nanzo iinqwelo zokulwa ziné, ziphuma phakathi kweentaba zombini; iintaba ke iziintaba zobhedu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Enqwelweni yokuqala ibingamahashe abomvu; enqwelweni yesibini ibingamahashe amnyama;

3enqwelweni yesithathu ibingamahashe amhlophe; enqwelweni yesiné ibingamahashe aziingwevu ezibomvu.

4Ndaphendula ndathi kwisithunywa esibe sithetha nam, Ziyintoni na ezi zinto, nkosi yam?

5Saphendula ke isithunywa, sathi kum, Le yimimoya eminé esezulwini, ephuma yakuba ibizimisile ngakwiNkosi yehlabathi lonke.

6Le inamahashe amnyama iphuma isiya ezweni langasentla; amhlophe aphumé elandela wona; aziingwevu ezibomvu aphumé esiya ezweni langasezantsi;

7abomvu àphuma, efuna ukulihambahamba ihlabathi. Sathi, Hambani, nilihambahambe ihlabathi. Alihambahamba ke ihlabathi.

8Sadanduluka kum, sathetha kum, sathi, Yabona, la aphuma aya ezweni langasentla, awuzolise umoya wam ezweni langasentla.

UYoshuwa umbingeleli uza kuthweswa isithsaba

9Kwafika ilizwi likaYehova kum, lisithi,

10Thabatha kwabasekuthinjweni, abazé khona bevela eBhabheli, kooHeledayi, nakooTobhiya, nakooYedaya, uye wena ngaloo mini endlwini kaYosiya unyana kaZefaniya;

11uthabathe isilivere negolide, wenze izithsaba, ubeke entloko kuYoshuwa unyana kaYotsadaki, umbingeleli omkhulu.

12Uze uthethe kuye uthi, Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Nantso indoda enguHlumelo, igama layo; iya kuhluma endaweni yayo, iyakhe itempile kaYehova.

13Iya kuyakha ke yona itempile kaYehova, ithweswe uzuko, ihlale ilawule etroneni yayo, ibe ngumbingeleli etroneni yayo, icebo loxolo libe phakathi kwabo bobabini.

14Izithsaba zoba kooHelem, nakooTobhiya, nakooYedaya, zibe sisikhumbuzo sobubele bonyana kaZefaniya, etempileni kaYehova.

15Baya kuza abakude bakhe etempileni kaYehova; názi ukuba uYehova wemikhosi undithumele kuni; kuya kwenzeka ke, ukuba nithe naliphulaphula ngenyameko ilizwi likaYehova uThixo wenu.

UZekariya 7

Umbuzo ngozilo

1Kwathi ngomnyaka wesiné kaDariyo ukumkani, kwafika ilizwi likaYehova kuZekariya ngosuku lwesiné lwenyanga yesithoba, enguKisilevu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2IBheteli ke yathuma ooSharetsere noRegem-meleki nabantu bakhe, ukuba bambongoze uYehova,

3bathèthe kubabingeleli ababesendlwini kaYehova wemikhosi, nakubaprofeti, bathi, Ndilíle na, ndizíle na ngenyanga yesihlanu, njengoko ndisendenzé ngako le minyaka ingaka?

4Kwafika ilizwi likaYehova wemikhosi kum, lisithi,

5Thetha kubantu bonke belizwe eli, nakubabingeleli, uthi, Oko benizila ukudla, nilila, ngenyanga yesihlanu nangeyesixhenxe, iminyaka ke engamashumi asixhenxe, ukuzila oko benizilela mna na?

6Xa benisidla naxa benisela, bekungàdli nina na, bekungàseli nina na?

7Beningàfanele kuwenza yini na amazwi, abewamemeza uYehova ngabaprofeti bamandulo, oko ibimiwe ichulumachile iYerusalem, kwanemizi yayo engeenxa zonke kuyo, naoko belimiwe elasezantsi nelasesithabazi?

Ukuthinjwa kusisiphumo sentswelantobeko

8Kwafika ilizwi likaYehova kuZekariya, lisithi,

9Utshilo uYehova wemikhosi ukuthi, Gwebani ngesigwebo senyaniso, nenze inceba nemfesane elowo kumzalwana wakhe.

10Musani ukubacudisa abahlolokazi, neenkedama, nabasemzini, namahlwempu; musani ukucinga bubi entliziyweni yenu ngendoda engumzalwana wenu.

11Abavumanga ke ukubaza indlebe; balirhola igxalaba elinjubaqa, bazithi nkqi iindlebe zabo, àbeva.

12Intliziyo yabo báyenza idayiman, ukuba bangawuvi umyalelo namazwi, abewathumela uYehova wemikhosi ngomoya wakhe, ngabaprofeti bamandulo; kwabakho ke uburhalarhume obukhulu obuvela kuYehova wemikhosi.

13Kuya kuthi ke, njengoko ebememeza bengeva, benjenjalo ukumemeza, utsho uYehova wemikhosi, ndingevi.

14Ndiya kubachithachithela ezintlangeni zonke ababengazazi; kube senkangala elizweni emva kwabo, kungacandi mntu, kungabuyi mntu; balenze ke ilizwe elinqwenelekayo kube senkangala kulo.

UZekariya 8

UYehova uya kuyibuyisa iYerusalem

1Kwafika ilizwi likaYehova wemikhosi, lisithi,

2Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Ndinekhwele, ikhwele elikhulu, ngeZiyon; ndinekhwele, ndinobushushu obukhulu ngayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Utsho uYehova ukuthi, Ndiyibuyéle iZiyon; ndiya kuhlala ke phakathi kweYerusalem,
kuthiwe iYerusalem ngumzi wenyaniso; nentaba kaYehova wemikhosi kuthiwe
yintaba engcwele.

4Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Kusaya kuhlala amadoda amakhulu neentokazi
ezinkulu ezitratweni zaseYerusalem, elowo ephethe umsimelelo wakhe ngesandla,
ngenxa yobudala babo;

5zizale izitrato zomzi ngamakhwenkwe namantombazana, edlala ezitratweni zawo.

6Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Ukuba kuyinto engummangaliso emehlweni
amasalela aba bantu ngaloo mihla, kuya kuba yinto engummangaliso yini na
nasemehlweni am? utsho uYehova wemikhosi.

7Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Yabonani, ndiya kubasindisa abantu bam elizweni
lokuphuma kwelanga, naselizweni lokutshona kwalo.

8Ndobazìsa, bahlale phakathi kweYerusalem, babe ngabantu bam, ndibe nguThixo
wabo, ngenyaniso nangobulungisa.

9Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Izandla zenu mazomelele, nina bawevayo la
mazwi ngale mihla, ephuma emlonyeni wabaprofeti, ababekho mhlenikweni
yasekwayo indlu kaYehova wemikosi, itempile, ukuze yakhiwe.

10Ngokuba phambi kwaloo mihla bekungekho mvuzo wabantu, nomvuzo weenkomo
ubungekho; nophumayo nongenayo ebengenaluxolo, ngenxa yombandezeli.
Ndabenza bonke ukuba umntu achasane nommelwane wakhe.

11Ngoku ke andiyi kuba njengokwemihla yamandulo kumasalela aba bantu; utsho
uYehova wemikhosi.

12Kobakho imbewu yoxolo; umdiliya wonika isiqhamo sawo, nelizwe linike indyebo
yalo, nezulu linike umbethe walo; zonke ezo zinto ndizidlisè ilifa amasalela abantu.

13Kothi, njengoko benilutshabhiso ezintlangeni, ndlu kaYuda, nani ndlu kaSirayeli,
ndénjenjalo ukunisindisa, nibe yintsikelelo; musani ukoyika, mazomelele izandla
zenu.

14Ngokuba utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Njengoko ndankqangiyelayo ukwenza
ububi kuni, oko ooyihlo bandenza ndaba noburhalarhume, utsho uYehova
wemikhosi, andazohlwaya ke:

15ngokunjalo ndibuye ndankqangiyela ngale mihla ukwenza okulungileyo
kwiYerusalem, nakwindlu kaYuda; musani ukoyika.

16Nanzi iindawo enothi nizenze zona: Thethani inyaniso elowo kummelwane wakhe;
gwebani ngenyaniso nangesigwebo soxolo emasangweni enu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Musani ukucinga okubi, elowo ngommelwane wakhe entliziyweni yakhe;
ningathandi ukufunga ngobuxoki; ngokuba konke oko; koko ndikuthiyileyo; utsho
uYehova.

Ezinye iintlanga ziya kumfuna uYehova

18Kwafika ilizwi likaYehova wemikhosi kum, lisithi,

19Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Uzilo lweyesiné inyanga, nozilo lweyesihlanu,
nozilo lweyesixhenxe, nozilo lweyeshumi, luya kuba yimihlali, nemivuyo, namaxesha
emisiweyo okuchwayitha, kwindlu kaYuda; ke thandani inyaniso noxolo.

20Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Kusaya kuza izizwe, nabemi bemizi emininzi.

21Baya kuhamba abemi bomnye baye komnye, bathi, Masihambe siye kumbongoza
uYehova, simquqele uYehova wemikhosi; bathi abo, Siya kuhamba nathi.

22Izizwe ezininzi neentlanga ezinamandla ziya kuza kumquqela uYehova wemikhosi
eYerusalem, zimbongoze uYehova.

23Utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Ngezo mini aya kuthi abambe amadoda alishumi
asezilwimini zonke zeentlanga, abambe esondweni lengubo yendoda engumYuda,
athi, Siya kuhamba nani, ngokuba sivile ukuba uThixo unáni.

UZekariya 9

Ukugwetywa kweentlanga ezingabamelwana

1Isihlabo selizwi likaYehova esisingisele elizweni laseHadraki; yiDamasko indawo
yokuphumla kwaso; ngokuba uYehova usingise iliso ebantwini, nasezizweni zonke
zakwaSirayeli;

2kwaneHamati ehlangene nayo ngomda; iTire neTsidon, nakuba zilumkile kakhulu.

3ITire yazakhela inqaba, yafumba isilivere njengothuli, negolide njengodaka
lwezitrato.

4Yabona, iNkosi iya kuyihlutha, ibubethe ubuhandiba bayo elwandle, yona itshiswe
ngumlilo.

5IAshkelon iya kukubona, yoyike; neGaza iya kukubona, ithuthumele kakhulu; kwane-
Ekron, kuba inqolonci yayo iya kudaniswa, adake ukumkani, angabikho eGaza,
neAshkelon ingemiwa.

6Kuya kuhlala imigqakhwe eAshdode, ndinqumle iqhayiya lamaFilisti.

7Ndolisusa igazi lemibingelelo yawo emlonyeni wawo, nezinto zawo ezinezothe
emazinyweni awo; kwanawo aya kusalela uThixo wethu, abe njengenkosana
kwaYuda, ne-Ekron ibe njengomYebhusi.

8Ndoyinqabisa indlu yam kumkhosi, kodlulayo nakobuyayo, kungabi sacanda
mkhandanisi kubo; ngokuba ngoku ndibonile ngamehlo am.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ulawulo oluxolileyo loKumkani weZiyon

9Gcoba kunene, ntombi inguZiyon; duma, ntombi inguYerusalem; yabona, uKumkani
wakho uza kuwe, elilùngisa, enosindiso, enentobeko, ekhwele e-esileni, exhamxweni,
etholeni lemazi yeesile.

10Ndozinqumla iinqwelo zokulwa kwaEfrayim namahashe eYerusalem, sinqunyulwe
isaphetha sokulwa; athethe uxolo kwiintlanga; ulawulo lwakhe luthabathele
elwandle luse elwandle, luthabathele kuwo uMlambo luse eziphelweni zehlabathi.

11Nawe, ngenxa yegazi lomnqophiso wakho, ndiyabandulula ababanjiweyo bakho,
baphume emhadini ongenamanzi.

Intsikelelo yeNkosi kuYuda nakuSirayeli

12Buyelani enqabeni, babanjwandini banethemba; nanamhla ndiyaxela, ndithi, Ndiya
kukubuyisela ngokuphindiweyo.

13Ngokuba ndimgobile uYuda, isaphetha sam; ndimfakile uEfrayim, utolo lwam;
ndiya kubaxhokonxa oonyana bakho, Ziyon, koonyana bakho, Yavan, ndikwenze ube
njengekrele legorha.

14UYehova uya kubonakala phezu kwabo, luphume njengombane utolo lwakhe;
iNkosi uYehova iya kuvuthela isigodlo, ihambe ngemimoya evuthuzayo yasezantsi.

15UYehova wemikhosi uya kubakhusela ngaphezulu, badle, banyathele amatye
okusawula, basele, baxokozele ngokwasewayinini; bazale ngokweengqayi,
ngokweembombo zesibingelelo.

16Wóbasindisa abantu bakhe uYehova uThixo wabo ngaloo mini, njengomhlambi;
ngokuba bengamatye esithsaba, abengezela emhlabeni wakhe.

17Kuba kungakanani na ukulunga kwabo, bungakanani na ubuhle babo! Ingqolowa
iya konwabisa umlisela, iwayini entsha iwonwabise umthinjana.

UZekariya 10

UYehova uya kubabuyisela abantu bakhe abachithachithiweyo

1Celani imvula kuYehova ngexesha lemvula evuthisayo. UYehova wenza imibane,
abanike imvula eziziphango, elowo amnike umfuno wasendle.

2Ngokuba imilonde-khaya ithethé into ebubutshinga, nabavumisi baboné ubuxoki,
balawula amaphupha enkohlakalo, bathuthuzela kwangamampunge; ngenxa yoko
bakhokile njengomhlambi, bacinezeleka, kuba kungekho malusi.

3Umsindo wam uvuthela abalusi; ndozivelela ngawo iinkunzi ezikhokelayo; kuba
uYehova wemikhosi uyawuvelela umhlambi wakhe, indlu kaYuda, abenze babe
njengogcadalala lwakhe lwehashe emfazweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Kuya kuphuma kuye ilitye lembombo; kuya kuphuma kuye ibhaxa; kuya kuvela kuye isaphetha sokulwa; kuya kuvela kuye bonke abakhandanisi ngakunye.

5Baya kuba njengamagorha, enyathelela iintshaba zawo eludakeni lwezitrato, kusiliwa; balwe, ngokuba uYehova enabo; badane abakhweli bamahashe.

6Ndiya kuyomeleza indlu kaYuda, ndiyisindise indlu kaYosefu, ndibahlalise; kuba ndisikwa yimfesane ngenxa yabo; boba ngangabo ndingàbahlambanga, ngokuba ndinguYehova uThixo wabo; ndobaphendula.

7Wóba njengegorha uEfrayim, ivuye intliziyo yabo ngokwasewayinini; oonyana babo babone, bavuye; iya kugcoba intliziyo yabo kuYehova.

8Ndiya kubenzela ikhwelo, ndibabuthe; ngokuba ndibakhulúle ngokubahlawulela; baya kwanda, njengoko babesanda ngako.

9Ndobahlwayela ezizweni, bandikhumbule emazweni akude, baphile noonyana babo, babuye.

10Ndobabuyisa ezweni laseYiputa, ndibabuthe eAsiriya, ndibazise ezweni laseGiliyadi nelaseLebhanon, kungafumaneki ndawo ibalingeneyo.

11UYehova uya kucanda kulwandle lwembandezelo, abethe emazeni olwandle, zitshe zonke izizibà zoMnayile; lithotywe iqhayiya laseAsiriya, imke intonga yaseYiputa.

12Ndobomeleza ngoYehova, bahambahambe egameni lakhe; utsho uYehova.

UZekariya 11

Abalusi abakhohlakeleyo bakaSirayeli

1Vula amasango akho, Lebhanon, uyitshise ngomlilo imisedare yakho.

2Bhomboloza, msipres, ngokuba kuwé umsedare, ngenxa yokuba iingangamsha zibhuqiwe. Bhombolozani, mioki yaseBhashan, ngokuba lihlahliwe ihlathi elinwabileyo.

3Yivani ukubhomboloza kwabalusi, ngokuba bubhuqiwe ubungangamsha babo! Yivani ukubharhula kweengonyama ezintsha, ngokuba libhuqiwe iqhayiya laseYordan!

4Watsho uYehova uThixo wam, ukuthi, Yalusa umhlambi wezixhelwayo;

5obathengi bawo bawubulalayo, bathi àbanatyala; nabathengisa ngawo bathi, Makabongwe uYehova, ndinobutyebi; nabalusi bawo àbawucongi.

6Ngoku ba andiyi kubuya ndibaconge abemi behlabathi; utsho uYehova. Yabona, abantu ndibanikela, elowo esandleni sommelwane wakhe, nasesandleni sokumkani wakhe, baliqobe ilizwe, ndingabahlanguli esandleni sabo.

7Ndawalúsa ke umhlambi wezixhelwayo, kunye nezinqinileyo zomhlambi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ndathabatha iintonga zambini, enye ndathi nguMnandi, enye ndathi nguZintya; ndawalúsa ke umhlambi. Ndabetha bathi shwaka abalusi abathathu nganyanga-nye; ndazekaneka ngabo, ndanezothe kubo.

9Ndathi, Andiyi kunalusa; efayo mayife; nethi shwaka mayithi shwaka, neziseleyo mazidlane inyama.

10Ndathabatha intonga yam, uMnandi, ndayaphula, ukuze ndiwaphule umnqophiso wam endanqophisana ngawo nezizwe zonke.

11Waphulwa ke ngaloo mini; zazi ngokunjalo ezinqinileyo zomhlambi, ebe zindiphulaphule, ukuba lilizwi likaYehova eli.

12Ndathi kuwo, Ukuba kulungile emehlweni enu, etheni umvuzo wam; ukuba akulungile, yekani. Bandilinganisela ke umvuzo wam, amashumi amathathu esilivere.

13Wathi uYehova kum, Yiphose kumbumbi, ixabiso elingenganganí, abandimisela lona. Ndawathabatha ke amashumi amathathu esilivere, ndawaphosa kumbumbi endlwini kaYehova.

14Ndayaphula intonga yam yesibini, uZintya, ukuze ndibutshitshise ubuzalwana phakathi koYuda noSirayeli.

15Wathi uYehova kum, Phinda uthabathe impahla yomalusi osisimathane.

16Ngokuba, yabona, ndivelisa umalusi elizweni apha, ongayi kuzivelela eziza kuthi shwaka; akayi kuzifuna ezilusali; akayi kuziphilisa ezaphukileyo; akayi kuzondla ezimiyo; inyama yezityebileyo uya kuyidla, awalimaze amanqina azo.

17Yeha, umalusi ongento, owulahlayo umhlambi! Ikrele malibe phezu kwengalo yakhe, neliso lakhe lasekunene! Ingalo yakhe iya koma kanye, neliso lakhe lasekunene licime okukanye.

UZekariya 12

UYuda uya komelela

1Isihlabo selizwi likaYehova, esisingisele kuSirayeli. Utsho uYehova, umaneki wezulu, umseki wehlabathi, umenzi womoya womntu phakathi kwakhe, ukuthi,

2Yabona, iYerusalem ndiyenza ibe yindebe enombilini, yokuhexisa zonke izizwe ngeenxa zonke, imfikele noYuda ekungqingweni kweYerusalem.

3Kothi ngaloo mini, ndiyenze iYerusalem ibe lilitye elingumthwalo ezizweni zonke; bonke abalifunqulayo baya kuzisikisa, bazilimazise, ziyihlanganyele zonke iintlanga zehlabathi.

4Ngaloo mini, utsho uYehova, ndiya kuwabetha othuke amahashe onke, ndibabethe babe nomgada abakhweli bawo, ndiwavule amehlo am phezu kwendlu kaYuda, onke amahashe ezizwe ndiwabethe abe ziimfama.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Zothi iinkosana zakwaYuda ezintliziyweni zazo, Bangamandla ama bemi baseYerusalem, ngoYehova wemikhosi, uThixo wabo.

6Ngaloo mini ndiya kuzenza iinkosana zakwaYuda zibe njengokhamba lomlilo ezinkunini, nanjengezikhuni ezitshangaziswayo ezithungwini, zizitshise ngasekunene nangasekhohlo izizwe zonke ngeenxa zonke; iYerusalem ibuye imiwe esikhundleni sayo eYerusalem.

7UYehova uya kusindisa iintente zakwaYuda kuqala, ukuze isihombo sendlu kaDavide, nesihombo sabemi baseYerusalem, singàzikhulisi ngaphezu koYuda.

8Ngaloo mini uYehova uya kubakhusela abemi baseYerusalem; athi okhubekayo phakathi kwabo abe njengoDavide ngaloo mini; indlu kaDavide ibe njengoThixo, njengesithunywa sikaYehova phambi kwabo.

9Kothi ngaloo mini, ndifune ukuzitshabalalisa zonke iintlanga eziyingenelayo iYerusalem.

Ukuzila eYerusalem

10Ndothululela phezu kwendlu kaDavide, naphezu kwabemi baseYerusalem, uMoya wokubabala nowokutarhuzisa, babheke kum mna bamhlabileyo amahlanza; bammbambazelele njengokumbambazelelwa kozelwe wamnye, babe krakra ngenxa yakhe, njengokrakra ngenxa yamazibulo akhe.

11Ngaloo mini siya kuba sikhulu isililo eYerusalem, sibe njengesililo saseHadade-rimon esihlanjeni seMegido.

12Liya kulila ilizwe, imizalwane ngemizalwane iyodwa; umzalwane wendlu kaDavide uwodwa, abafazi babo bebodwa; umzalwane wendlu kaNatan uwodwa, abafazi babo bebodwa;

13umzalwane wendlu kaLevi uwodwa, abafazi babo bebodwa; umzalwane wamaShimehi uwodwa, abafazi bawo bebodwa;

14yonke imizalwane eseleyo, imizalwane ngemizalwane iyodwa, nabafazi babo bebodwa.

UZekariya 13

Ukuhlanjululwa kweYerusalem

1Ngaloo mini kuya kubakho ithende elivulelwe indlu kaDavide nabemi baseYerusalem, ngenxa yesono nangenxa yokungcola.

2Kothi ngaloo mini, utsho uYehova wemikhosi, ndiwanqumle amagama ezithixo elizweni, zingabi sakhunjulwa; nabaprofeti nomoya wobunqambi ndibagqithise, bangabikho ezweni apha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kothi xa athe wabuya waprofeta ubani, bathi kuye uyise nonina abamzalayo. Akuyi kuphila, kuba uthethé ubuxoki egameni likaYehova. Uyise nonina abamzalayo bomhlaba amahlanza ngenxa yokuprofeta kwakhe.

4Kothi ngaloo mini, badane abaprofeti, elowo ngumbono wakhe, ekuprofeteni kwakhe, bangàmbathi ngubo ixhonti yokuze bakhohlise.

5Wóthi, Àndimprofeti, ndingumntu olima umhlaba; kuba wandithenga umntu ndisemncinane.

6Kothiwa kuye, Ayini na la manxeba asezandleni zakho? athi, Ngandangxwelerhwa ngawo endlwini yabazizihlobo zam.

Ukumonxozwa komalusi kaYehova

7Krele, vuka usukele phezulu kumalusi wam, kumfo ongummelwane, utsho uYehova wemikhosi; betha kumalusi, umhlambi ube lusali; ndísibuyisele isandla sam phezu kwezincinane.

8Kothi ezweni lonke, utsho uYehova, izahlulo ezibini kulo zinqanyulwe zife, esesithathu sihlale kulo.

9Ndosizisa emlilweni esesithathu, ndibanyibilikise njengokunyibilikiswa kwesilivere, ndibacikide njengokucikidwa kwegolide. Bona baya kunqula igama lam, ndibaphendule mna; ndiya kuthi, Ngabantu bam bona; bathi bona, Yehova, ùnguThixo wethu.

UZekariya 14

Imfazwe phakathi kweYerusalem neentlanga

1Yabonani, kuza imini eyekaYehova, kwabiwe amaxhoba akho esazulwini sakho.

2Ndozihlanganisela eYerusalem zonke iintlanga ukuba zilwe; umzi uthinjwe, ziphangwe izindlu, badlwengulwe abafazi; siphume isiqingatha somzi sithinjwe; ke amasalela abantu angànqunyulwa wona kuwo umzi.

3Úya kuphuma ke uYehova, alwe nezo ntlanga, njengemini yokulwa kwakhe, ngemini yomdibaniso.

4Ziya kuma iinyawo zakhe ngaloo mini phezu kweNtaba yemiNquma, ephambi kweYerusalem ngasempumalanga, icandeke iNtaba yemiNquma phakathi, ithabathele empumalanga ise entshonalanga, ibe sisihlambo esikhulu kakhulu; sisunduzeke isiqingatha sentaba sisinge entla, esinye isiqingatha sayo sisinge ezantsi.

5Nòsabela esihlanjeni seentaba zam, kuba isihlambo seentaba ezo siya kufika naseAtsele; nisabe njengoko nasabayo ngenxa yenyikima emihleni kaUziya ukumkani wakwaYuda, eze uYehova uThixo wam, eneengcwele zakhe zonke.

6Kothi ngaloo mini kungabi mhlophe, iinkwenkwezi ezinendili zibe luzizi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Kuya kuba yimini eyodwa; yona iya kwazeka kuYehova; àyimini, àyibusuku; kuthi ngexa langokuhlwa kube mhlophe.

8Kothi ke ngaloo mini, kuphume eYerusalem amanzi aphilileyo; esinye isiqingatha sawo siye kulwandle lwasempumalanga, esinye isiqingatha sawo siye kulwandle lwasentshonalanga; kube njalo ehlotyeni nasebusika.

Uloyiso nolawulo olupheleleyo lukaYehova

9UYehova woba ngukumkani phezu kwehlabathi lonke; ngaloo mini iya kuba nguYehova yedwa, negama lakhe lodwa.

10Ilizwe lonke liya kujika libe njengeArabha, lithabathele eGebha lise eRimon, ezantsi kweYerusalem; liphakame, lihlale esikhundleni salo, lithabathele esangweni lakwaBhenjamin, lise endaweni yesango lokuqala, lise esangweni lembombo; lithabathele enqabeni ende yakwaHananeli, lise ezixovulelweni zokumkani.

11Bohlala kulo, kungabi sabakho kusingela phantsi; ihlale iYerusalem ikholosile.

12Siso esi isibetho aya kuzibetha ngaso uYehova zonke izizwe eziyiphumele umkhosi iYerusalem: uya kuyingcungcuthekisa inyama yomntu, emi ngeenyawo zakhe, aphelele amehlo akhe emakrolomeni awo, luphelele ulwimi lwakhe emlonyeni wakhe.

13Kothi ngaloo mini, sibe sikhulu isaqunge phakathi kwazo, siphuma kuYehova; babambe elowo isandla sommelwane wakhe, isandla sakhe siphakamele isandla sommelwane wakhe.

14Naye uYuda uya kulwa nazo eYerusalem; buhlanganiswe ubutyebi beentlanga zonke ezingeenxa zonke, igolide, nesilivere, neengubo, into eninzi kakhulu.

15Soba njalo isibetho kumahashe, nakoondlebende, nakwiinkamela, nakumaesile, nakwiinkomo zonke eziya kuba seminqubeni leyo, sibe njengeso sibetho.

16Othi onke amaqongqolo eentlanga zonke ezibe ziyingenele iYerusalem, enyuke iminyaka ngeminyaka, aye kumnqula uKumkani, uYehova wemikhosi, enze umthendeleko weminquba.

17Kothi emizalwaneni yehlabathi, osukuba engenyuki aye kumnqula eYerusalem uKumkani, uYehova wemikhosi, angànelwa mvula.

18Uya kuthi umzalwane wamaYiputa ongathanga unyuke uze, anganelwa mvula; yoba sisibetho, aya kubetha ngaso uYehova zonke iintlanga ezingenyukiyo ziye kwenza umthendeleko weminquba.

19Siya kuba seso isohlwayo sesono seYiputa, nesohlwayo sesono seentlanga zonke ezingenyukiyo ziye kwenza umthendeleko weminquba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[20]Ngaloo mini kuya kubhalwa emankentezeni amahashe, kuthiwe, BUBUNGCWELE KUYEHOVA; neembiza endlwini kaYehova zoba njengezitya zokutshiza eziphambi kwesibingelelo.

[21]Zothi zonke iimbiza eYerusalem nakwaYuda zibe ngcwele kuYehova wemikhosi; beze bonke ababingelelayo, bathabathe kuzo, baphekele kuzo; ngaloo mini kungabi sabakho mKanan endlwini kaYehova wemikhosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UMalaki

UMalaki 1

Uthando lukaYehova kuSirayeli

1Isihlabo selizwi likaYehova, esisingisele kuSirayeli, ngoMalaki.

2Uthi uYehova, Ndinithandile; ke nina nithi, Ùsithandé ngokuthini na? UEsawu asingumkhuluwa kaYakobi na? utsho uYehova; ukanti ndathanda ke uYakobi;

3ndamthiya uEsawu; iintaba zakhe ndazenza kwaba senkangala, nelifa lakhe laba leleempungutye entlango.

4Ekubeni ke uEdom esithi, Sivikivekile, siya kubuya siwakhe amanxuwa; utsho uYehova wemikhosi ukuthi, Baya kwakha bona, kodwa mna ndiya kugungxula; kothiwa, Bangumda wokungendawo, ngabantu ábabhavumelayo uYehova kude kuse ephakadeni.

5Amehlo enu aya kubona, níthi ke nina, Mkhulu uYehova phezu komda wakwaSirayeli.

Ababingeleli bakaSirayeli abanantlonelo

6Unyana uyambeka uyise, umkhonzi uyayihlonela inkosi yakhe; ukuba ndinguyihlo, kuphi na ke ukubekwa kwam? ukuba ndiyinkosi, kuphi na ukoyikwa kwam? utsho uYehova wemikhosi kuni, babingeleli, nina balidelileyo igama lam. Nibe ke nisithi, Silidelé ngokuthini na igama lakho?

7Nina nizisa esibingelelweni sam isonka esingcolileyo, nibe ke nisithi, Sikungcolisé ngokuthini na? Ngokuthi oku kwenu, Isithebe sikaYehova sidelekile sona.

8Ukuba nizisa into eyimfama ukuba ibingelelwe, akunto imbi oko? Ukuba nizisa into esisiqhwala nento efayo, akunto imbi oko? Khawuyisondeze loo nto kwinkosi yakho, ukuba yokholiswa na nguwe; yokunonelela na? utsho uYehova wemikhosi.

9Kaloku ke, khanimbongoze uThixo, ukuba asibabale; kuvelé esandleni senu oku; womnonelela ke umntu ngenxa yenu na? utsho uYehova wemikhosi.

10Akwaba bekukho umntu kuni ozivalileyo iingcango, anasibanekela ilizé isibingelelo sam! Àndininanzé nganto, utsho uYehova wemikhosi, àndikholiswa nangumnikelo ophuma esandleni senu.

11Ngokuba kuthabathela ekuphumeni kwelanga, kude kuse ekutshoneni kwalo, likhulu igama lam phakathi kweentlanga; nasezindaweni zonke kuqhunyiselwa, kunikèlwe igama lam umnikelo ohlambulukileyo; ngokuba likhulu igama lam phakathi kweentlanga; utsho uYehova wemikhosi.

12Ke nina niyalihlambela ngokuthi oku kwenu, Isithebe sikaYehova singcolile, neziveliso zaso, ukutya kwaso kudelekile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Nábuya nathi ke, Yabonani, yindinisa yani na le! nasivuthela; utsho uYehova wemikhosi; nazìsa izinto eziphangiweyo, neziziqhwala, nezifayo; nenjenje ukuzisa umnikelo ke; ndikholiswe na ke zezo zinto ziphuma esandleni senu? utsho uYehova.

14Uqalekisiwe ke oqhathaniselayo, ukanti kukho emhlambini wakhe iduna; nobhambathisa, abingelele eNkosini into eyonakeleyo; ngokuba ndingukumkani omkhulu, utsho uYehova wemikhosi, negama lam liyoyikeka phakathi kweentlanga.

UMalaki 2

1Ngoku ke lo mthetho ubhekiswa kuni, babingeleli.

2Ukuba anithanga niphulaphule, ukuba anithanga nikunyamekele ngentliziyo ukulizukisa igama lam, utsho uYehova wemikhosi ndonithumela isiqalekiso, ndiziqalekise iintsikelelo zenu; ewe, sendiziqalekisile, kuba ningàkunyamekeli ngentliziyo,

3Yabonani, ndiyayikhalimelaingaloyenu, nditshize ngomswane ebusweni benu, umswane wemithendeleko yenu, banithwale banisuse nawo;

4nazi ukuba ndinithumele lo mthetho, ukuba ube ngumnqophiso wam noLevi; utsho uYehova wemikhosi.

5Umnqophiso wam ubunaye uLevi, ububomi noxolo; ndamnika ezo zinto ukuba oyike. Wandoyika ke, waqhiphuka umbilini ngenxa yegama lam.

6Umyalelo wenyaniso waba semlonyeni wakhe, akwafumaneka bugqwetha emilebeni yomlomo wakhe; wahamba nam exolile, ethe tye, wabuyisa abaninzi ebugwenxeni.

7Kuba umlomo wombingeleli ngowokugcina ukwazi, umyalelo bawufune emlonyeni wakhe; ngokuba ungumthunywa kaYehova wemikhosi.

8Ke nina nimkile endleleni, nabakhubekisa abaninzi kuwo umyalelo, nawonakalisa umnqophiso kaLevi; utsho uYehova wemikhosi.

9Nam ndinenza abadelekileyo nabathobekileyo ebantwini bonke, ngokokuba ningàzigcinanga iindlela zam, nesuka nanonelela umntu emyalelweni.

Ukungcola kukaSirayeli

10Àkamnye na ubawo wethu sonke siphela? Àsidalwe Thixo mnye na? Yini na ukuba singinizelane, siwuhlambele umnqophiso woobawo bethu?

11Únginizile uYuda, kwenzeka amasikizi kwaSirayeli naseYerusalem; ngokuba uYuda uyihlambele ingcwele kaYehova ayithandayo, wazeka intombi yothixo wolunye uhlanga.

12Akwaba uYehova angamnqamla, kwindoda ekwenzayo oko, lowo ulindayo naló usabelayo ezintenteni zakwaYakobi, nozisa iminikelo kuYehova wemikhosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Oku ke nikwenza okwesibini: ukugubungela isibingelelo sikaYehova ngeenyembezi,
ngokulila, nangokuncwina, ade angabi sawubheka umnikelo, angabi samkela nto
ikholekayo ezandleni zenu.

14Nìthi ke, Ngani na? Ngenxa yokuba uYehova ebelingqina phakathi kwakho nomfazi
wobutsha bakho, lowo umnginizeleyo wena; kanti ke lidlelane lakho, ngumfazi
womnqophiso wakho.

15Akubangakho namnye ukwenzayo oku, obenamasalela omoya. Ke wenza ntoni na
omnye lowo? Wafuna imbewu yakwaThixo. Wugcineni ngoko umoya wenu,
ungamnginizeli umfazi wobutsha bakho;

16kuba ndikuthiyile ukwala, utsho uYehova, uThixo
kaSirayeli; ndimthiyile nogubungela ingubo yakhe ngogonyamelo, utsho uYehova
wemikhosi; wugcineni ke umoya wenu, ninganginizi.

17Nimdinisile uYehova ngamazwi enu. Nìthi ke, Simdinisé ngokuthini na? Ngokuthi
oku kwenu, Bonke abenza okubi balungile emehlweni kaYehova, ubananzile yena;
okanye nithi, Uphi na uThixo wokugweba?

UMalaki 3

Umthunywa ozayo weNkosi uYehova

1Yabona, ndiya kuthuma umthunywa wam, agece indlela phambi kwam. Iya kuza ke
ngesiquphe etempileni yayo iNkosi leyo niyifunayo; kwaumthunywa womnqophiso
enimlangazelelayo, yabona, uyeza; utsho uYehova wemikhosi.

2Ngubani na ke onokuyinyamezela imini yakuza kwakhe? Ngubani na ke onokuma
ekubonakaleni kwakhe? Ngokuba unjengomlilo womnyibilikisi, unjengesoda
yabaxovuli beengubo.

3Úya kuhlala ke engumnyibilikisi, engumcoci wesilivere, abacoce oonyana bakaLevi,
abahluze njengegolide, nanjengesilivere; babe ngabazìsa umnikelo kaYehova
benobulungisa.

4Woba mnandi ke kuYehova umnikelo wakwaYuda nowaseYerusalem, ngokweemini
zasephakadeni, ngokweminyaka yamandulo.

5Ndiya kusondela kuni ukuba ndigwebe, ndibe lingqina elikhawulezayo kubakhafuli,
nakubakrexezi, nakubafungi bobuxoki; nakwabacudisa umqeshwa ekumvuzeni,
nomhlolokazi, nenkedama; nakwabathoba owasemzini, bangandoyiki mna; utsho
uYehova wemikhosi.

6Ngokuba mna, Yehova, andiguqugugquki; ukuze ningagqitywa nje niphele, nina
nyana bakaYakobi.

Izishumi nentsikelelo kaYehova

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

7Kususela kwimihla yoyihlo, nimkile emimiselweni yam, anayigcina. Buyelani kum, ndibuyele kuni; utsho uYehova wemikhosi. Nìthi ke, Síbuye ngokuthini na?

8Umntu angamqhatha na uThixo, ukuba nindiqhathe nje? Nithi ke, Sithéni na ukukuqhatha?

9Kwizishumi nemirhumo. Niqalekisiwe ngesiqalekiso; noko ke niphikéle ukundiqhatha, nina luhlangandini nonke niphela.

10Ziziseni zonke izishumi endlwini yobuncwane bam, ize ke kubekho ukudla endlwini yam; ngoku nindicikide ngale nto, utsho uYehova wemikhosi, ukuba andisayi kunivulela na iingcango zezulu, ndinithulùlele iintsikelelo, kude kungasweleki lutho.

11Ndoyikhalimela inkumbi edlayo ngenxa yenu, ingazonakalisi iziqhamo zomhlaba wenu, ungaphunzi umdiliya wenu entsimini; utsho uYehova wemikhosi.

12Zonke iintlanga ziya kuthi ninoyolo, ngokuba niya kuba lilizwe elinanziweyo; utsho uYehova wemikhosi.

Uloyiso olupheleleyo lwamalungisa

13Amazwi enu andigixile, utsho uYehova. Nìthi ke, Sithethé ntoni na ngawe?

14Nìthi, Akunto yanto ukumkhonza uThixo; sizuzé ntoni na ngakuba sigciné isigxina sakhe, sahamba ngezimnyama zokuzila ngenxa kaYehova wemikhosi?

15Kaloku ke sithi banoyolo abakhukhumeleyo; àbaneli kwakheka abenzi bokungendawo; basuka bamcikide uThixo, basinde.

16Ke kaloku abamoyikayo uYehova bathetha elowo nowabo; uYehova wazibaza iindlebe, weva; incwadi yokukhumbuza phambi kwakhe yabhalelwa abamoyikayo uYehova, abacinga ngegama lakhe.

17Uthi ke uYehova wemikhosi, Baya kuba yinqobo kum ngemini endenza oku, ndibaconge, njengomntu oconga unyana wakhe omkhonzayo.

18Nobuya ke niwubone umahluko phakathi kwelungisa nongendawo, phakathi komkhonzayo uThixo nongamkhonziyo.

UMalaki 4

1Ngokuba, yabonani, iyeza imini evutha njengeziko; baya kuba ziindiza bonke abakhukhumali, nabenzi bonke bokungendawo, ibalenye loo mini izayo, utsho uYehova wemikhosi, ingabashiyeli ngcambu nasebe.

2Ke kuni, nina baloyikayo igama lam, ilanga lobulungisa liya kuphuma, linophiliso emaphikweni alo. Niya kuphuma nidlobe, njengamankonyana asesitalini, nibaxovule abangendawo;

3ngokuba baya kuba luthuthu phantsi kweentende zeenyawo zenu ngemini endikwenzayo oku; utsho uYehova wemikhosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Isiyalo sokugqibela

4Khumbulani umyalelo kaMoses, umkhonzi wam, endamwiselayo eHorebhe, ngokusingisele kumaSirayeli onke, imimiselo namasiko.

5Yabonani, ndiya kuthumela kuni uEliya umprofeti,

6ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYehova. Wóbuyisela iintliziyo zooyise kubantwana, neentliziyo zabantwana kooyise, hleze ndize ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

isiXhosa - All Bible

(Izibhalo Ezingcwele)

Testamente Entsha

UMateyu

UMateyu 1

Umlibo wokuzalwa kukaYesu Kristu

(ULuka 3:23-38)

1Incwadi yomlibo wokuzalwa kukaYesu Kristu, unyana kaDavide, unyana ka-Abraham.

2UAbraham wazala uIsake; uIsake ke wazala uYakobi; uYakobi wazala uYuda nabazalwana bakhe;

3uYuda wazala uPeretse noZera ngoTamare; uPeretse wazala uHetseron; uHetseron wazala uAram;

4uAram wazala uAminadabhi; uAminadabhi wazala uNashon; uNashon wazala uSalemon;

5uSalemon wazala uBhohazi ngoRahabhi; uBhohazi wazala uObhede ngoRute; uObhede wazala uYese;

6uYese wazala uDavide ukumkani. UDavide ke ukumkani wazala uSolomon ngobengumkaUriya;

7uSolomon wazala uRehabheham; uRehabheham wazala uAbhiya; uAbhiya wazala uAsa;

8uAsa wazala uYoshafati; uYoshafati wazala uYoram; uYoram wazala u-Uziya;

9u-Uziya wazala uYotam; uYotam wazala uAhazi; uAhazi wazala uHezekiya;

10uHezekiya wazala uManase; uManase wazala uAmon; uAmon wazala uYosiya;

11uYosiya wazala uYekoniya nabazalwana bakhe ngexesha lokufuduselwa kwabo eBhabhilon.

12Emveni ke kokufuduselwa kwabo eBhabhilon, uYekoniya wazala uSalatiyeli; uSalatiyeli wazala uZerubhabheli;

13uZerubhabheli wazala uAbhihudi; uAbhihudi wazala uEliyakim; uEliyakim wazala uAzore;

14uAzore wazala uTsadoki; uTsadoki wazala uYakin; uYakin wazala uElihudi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15uElihudi wazala uElazare; uElazare wazala uMatan; uMatan wazala uYakobi;

16uYakobi ke wazala uYosefu, indoda kaMariya, ekuthe ngaye kwazalwa uYesu, okuthiwa nguKristu.

17Zonke izizukulwana ngoko, ezithabathela kuAbraham zizise kuDavide, zizizukulwana ezilishumi elinaziné; nezithabathela kuDavide zizise ekufuduselweni kwabo eBhabhilon, zizizukulwana ezilishumi elinaziné; nezithabathela ekufuduselweni kwabo eBhabhilon zizise kuKristu, zizizukulwana ezilishumi elinaziné.

Ukuzalwa kukaYesu

18Ke kaloku ukuzalwa kukaYesu Kristu kwaye kungolu hlobo: Kwathi, akubon' ukuba unina uMariya useleganelwe uYosefu, bengekahlangani, wafunyanwa emithi ngoMoya oyiNgcwele.

19Wathi ke uYosefu indoda yakhe, engolilungisa, engathandi ukumhlaza ekuhleni, wanga angamala ngasese.

20Akubon' ukuba uyazicinga ezi zinto, naso isithunywa seNkosi sibonakala kuye ephupheni, sisithi, Yosefu, nyana kaDavide, musa ukoyika ukumthabathela kuwe uMariya, umfazi wakho; kuba oko kukhawulweyo phakathi kwakhe kungoMoya oyiNgcwele.

21Úya kuzala unyana ke, umbize ngegama elinguYesu; kuba yena eya kubasindisa abantu bakhe ezonweni zabo.

22Ke kaloku oku konke kwenzeké, ukuze kuzaliseke okwathethwayo yiNkosi ngomprofeti, isithi,

23Yabonani, intombi le iya kumitha izale unyana, Bambize ngegama elinguImanuweli, (uIsaya 7:14) oko kukuthi ngentetho evakalayo, uThixo unathi.

24Wathi ke uYosefu, evukile ebuthongweni, wenza ngoko besimmisele ngako isithunywa seNkosi, wamthabathela kuye umfazi wakhe;

25waza ke àkamazi, wada wazala unyana wakhe wamazibulo; wambiza ke ngegama elinguYesu.

UMateyu 2

Izazi ezavela empumalanga

1Kuthe ke, akubon' ukuba uYesu uzelwe eBhetelehem yelakwaYuda, emihleni kaHerode ukumkani, kwabonakala kufika eYerusalem izazi zivela empumalanga, zisithi,

2Uphi na lo uzelweyo, ukumkani wamaYuda? Kuba sibone inkwenkwezi yakhe empumalanga; sizé kumnqula.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Uthe ke uHerode ukumkani, akuva, wakhathazeka, yena nayo yonke iYerusalem naye.

4Wahlanganisa ke bonke ababingeleli abakhulu nababhali babantu, wababuza ukuba ubeya kuzalelwa phi na uKristu.

5Bathe ke kuye, EBhetelehem yelakwaYuda; kuba kubhaliwe ngomprofeti kwathiwa,

6Nawe Bhetelehem, mhlaba wakwaYuda, Akunguye nakanye omncinanana phakathi kwabalawuli bakwaYuda: Kuba kuwe apha kuya kuphuma uMlawuli, Onguyena uya kubalúsa abantu bam amaSirayeli. (UMika 5:2)

7Kwakuba njalo, uHerode, ezibize ngasese izazi ezo, waqondisisa kakuhle kuzo ixesha lokubonakala kwenkwenkwezi leyo;

8wazithuma ke eBhetelehem, wathi, Hambani niye nicokise ukubuzisa ngomntwana lowo; xa ke nithe namfumana, ze nindibikele, ukuze nam ndiye kumnqula.

9Zimvile ke zona ukumkani, zahamba; nantso inkwenkwezi leyo zayibonayo empumalanga izandulela, yada yaya kuma phezu kwendawo abekuyo umntwana lowo.

10Zathi ke, zakuyibona inkwenkwezi, zavuya ngovuyo olukhulu kakhulu.

11Zingenile endlwini, zambona umntwana enoMariya unina, zawa phantsi, zaqubuda kuye; zathi, zinqike impahla yazo, zanikela kuye iminikelo, igolide, nentlaka emhlophe, nemore.

12Zathi, kuba zihlatyelwe nguThixo ephupheni ukuba zingabuyi ziye kuHerode, zemka ngayimbi indlela ukuya ezweni lakowazo.

Intsabo yokuya eYiputa

13Zithe zakubon' ukuba zimkile ke zona, naso isithunywa seNkosi sibonakala kuYosefu ephupheni, sisithi, Vuka, umthabathe umntwana nonina, usabele eYiputa, uze ube khona apho ndide ndikuxelele; kuba uHerode uhlalele ukumfuna umntwana lowo, ukuba amtshabalalise.

14Evukile ke yena, wamthabatha umntwana nonina ebusuku, wemka waya eYiputa.

15Waba khona apho wada wabhubha uHerode; ukuze kuzaliseke okwathethwayo yiNkosi ngomprofeti isithi, Ndambiza unyana wam ukuba aphume eYiputa. (UHos. 11:1)

UHerode ubulala abantwana baseBhetelehem

16Ke kaloku uHerode, akubona ukuba izazi zidlale ngaye, waba nomsindo kunene, waza wathumela, wababulala bonke abantwana abaseBhetelehem, nakuyo yonke imida yayo, abaminyaka mibini bezelwe, nangaphantsi, elungelelanisa nexesha abeliqondisise kakuhle kuzo izazi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kwandula ukuzaliseka okwathethwayo ngoYeremiya umprofeti esithi,

18Kwavakala izwi eRama, Isimema nesililo nesijwili esikhulu, URakeli elilela abantwana bakhe, Engavumi ukuthuthuzeleka, ngokuba bengasekho. (UYer. 31:15)

Ukubuya eYiputa

19Akubon' ukuba ubhubhile ke uHerode, sabonakala isithunywa seNkosi sibonakala ephupheni kuYosefu eYiputa, sisithi,

20Vuka, umthabathe umntwana nonina, uye ezweni lakwaSirayeli; kuba bafile abo babezonda ubomi bomntwana.

21Wavuka ke, wamthabatha umntwana nonina, weza ezweni lakwaSirayeli.

22Ke kaloku, akuva ukuba uArkelawo ungukumkani kwelakwaYuda esikhundleni sikaHerode uyise, woyika ukuhamba asinge khona; wathi ke, ehlatyelwe nguThixo ephupheni, wemka waya kumacala elaseGalili.

23Ufiké wema emzini ekuthiwa yiNazarete; ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngabaprofeti, okokuba wobizwa ngokuthi ungowaseNazarete.

UMateyu 3

UYohane umbhaptizi

(UMarko 1:1-8; uLuka 3:1-18; uYoh. 1:6-8,19-36; 3:23-32)

1Ke kaloku, kuthi ngaloo mihla kufike uYohane umbhaptizi, ememeza entlango yelakwaYuda,

2esithi, Guqukani, kuba ubukumkani bamazulu busondele.

3Kuba lo nguye awayethetha yena uIsaya umprofeti, esithi, Izwi lodandulukayo entlango, lisithi, Yilungiseni indlela yeNkosi, Wutyenenezeni umendo wayo. (UIsaya 40:3)

4Ke uYohane lowo ingubo yakhe ibiyeyoboya benkamela, enombhinqo wentlonze esinqeni sakhe; kwaye ke ukudla kwakhe kuziinkumbi nobusi basendle.

5Babephuma oko besiya kuye abaseYerusalem, nabelakwaYuda bonke, nabommandla wonke waseYordan.

6Babhaptizwa nguye eYordan apho, bezixela izono zabo.

7Ke kaloku, akubona into eninzi yabaFarisi nabaSadusi besiza ekubhaptizeni kwakhe, wathi kubo, Nzalandini yamarhamba, ngubani na onibonisileyo ukuba niyibaleke ingqumbo ezayo?

8Velisani ngoko iziqhamo eziyifaneleyo inguquko; ize ningabi nithi phakathi kwenu,

9Thina sinobawo uAbraham; kuba ndithi kuni, Unako uThixo kuwo la matye ukumvelisela abantwana uAbraham.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kananjalo izembe selibekiwe engcanjini yemithi; ngoko yonke imithi engavelisi siqhamo sihle, iyagawulwa iphoswe emlilweni.

11Mna okunene ndinibhaptizela enguqukweni ngamanzi; kodwa lowo uzayo emva kwam unamandla kunam, ozimbadada ndingakulingeneyo ukuziphatha; yena ke uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangomlilo:

12omnyazi wokwela usesandleni sakhe; uya kusicokisa kuthi tu isandá sakhe, ayibuthele kuvimba ingqolowa yakhe, kodwa wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo ongacimekiyo.

Ubhaptizo lukaYesu

(UMarko 1:9-11; uLuka 3:21,22; uYoh. 1:31-34)

13Kuthi ngelo xa afike uYesu eYordan kuYohane, evela kwelaseGalili, ukuba abhaptizwe nguye.

14Ke kaloku uYohane wayemalela, esithi, Mna kufuneka ndibhaptizwe nguwe nje, ùza kum na wena?

15Uphendule ke uYesu wathi kuye, Vuma okwakaloku; kuba kusifanele thina ukwenjenjalo ukuzalisa bonke ubulungisa. Andule ke ukumvumela.

16Ebhaptiziwe ke uYesu, wenyuka kwaoko emanzini; asuka amazulu avuleka kuye, wambona uMoya kaThixo esihla njengehobe, esiza phezu kwakhe.

17Nâlo izwi liphuma ezulwini, lisithi, Lo nguNyana wam oyintánda, endikholisiweyo nguye.

UMateyu 4

Ukuhendwa kukaYesu entlango

(UMarko 1:12,13; uLuka 4:1-13)

1Waza uYesu wenyuswa nguMoya, wasiwa entlango, ukuba ahendwe nguMtyholi.

2Uthe akuba ezilé ukudla iimini ezimashumi mané nobusuku obumashumi mané, ekupheleni kwazo walamba.

3Efikile ke umhendi kuye, uthe, Ukuba unguNyana kaThixo, yitsho la matye abe zizonka.

4Waphendula ke yena wathi, Kubhaliwe kwathiwa, Akaphili ngasonka sodwa umntu, uphila ngamazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo.

5Eze uMtyholi, amthabathe amse kuwo umzi ongcwele, ammise eluchochoyini lwetempile, athi ke kuye,

6Ukuba unguNyana kaThixo, ziphose ezantsi; kuba kubhaliwe kwathiwa, Úya kuziwisela umthetho ngawe izithunywa zakhe zasemazulwini, Zikufukule ngezandla, Hleze ubetheke ngonyawo lwakho etyeni. (INdum. 91:11)

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Wathi uYesu kuye, Kubhaliwe kanjalo kwathiwa, Uze ungayihendahendi iNkosi uThixo wakho.

8Ubuya uMtyholi amthabathe amse entabeni ephakame kakhulu, ambonise zonke izikumkani zehlabathi, nozuko lwazo;

9athi kuye, Zonke ezi zinto ndokunika, ukuba uthe wawa phantsi, waqubuda kum.

10Aze athi uYesu kuye, Suka umke, Sathana; kuba kubhaliwe kwathiwa, YiNkosi uThixo wakho oya kuqubuda kuyo, ukhonze yona yodwa.

11Andule ke uMtyholi ukumyeka; nanko kufika izithunywa zezulu zimlungiselela.

UYesu eGalili. Abafundi bakhe bokuqala

(UMarko 1:14-20; uLuka 4:14,15; 5:1-11)

12Ke kaloku, akuva uYesu ukuba uYohane unikelwe entolongweni, wemka waya kwelaseGalili.

13Wathi esukile eNazarete, weza wahlala eKapernahum engaselwandle, emideni yakwaZebhulon neyakwaNafetali;

14ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngoIsaya umprofeti, esithi,

15Umhlaba wakwaZebhulon nomhlaba wakwaNafetali, Wendlela yaselwandle, phesheya kweYordan, WaseGalili yeentlanga,

16Abantu abo bàhleli ebumnyameni Babonè ukukhanya okukhulu; Nâbò bahleli ezweni nasethunzini lokufa Bavelelwe kukukhanya. (UIsaya 9:1,2)

17Waqala oko uYesu ukumemeza, esithi, Guqukani, kuba ubukumkani bamazulu busondele.

18Uthe ke uYesu, ehamba ngaselwandle lwaseGalili wabona abazalwana ababini, uSimon ekuthiwa nguPetros noAndreya, umzalwana wakhe, bephosa umnatha elwandle; kuba babengababambisi beentlanzi.

19Athi ke kubo, Yizani apha nindilandele; ndonenza nibe ngababambisi babantu.

20Bayishiya kwaoko iminatha, bamlandela ke.

21Uhambele phambili esuka apho, wabona abanye abazalwana ababini, uYakobi lo kaZebhedi, noYohane umzalwana wakhe, besemkhombeni noZebhedi uyise, belungisa iminatha yabo; wababiza ke.

22Bawushiya kwaoko umkhombe noyise, bamlandela ke.

23Waye uYesu elihamba lonke elaseGalili, efundisa ezindlwini zabo zesikhungu, evakalisa iindaba ezilungileyo zobukumkani, ephilisa izifo zonke nezikhuhlane zonke ebantwini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Lwaphuma ke udumo lwakhe lwaya kulo lonke elaseSiriya, babazìsa kuye bonke abafayo, bebanjwe zizifo ngezifo naziintuthumbo ngeentuthumbo, nabaphethwe ziidemon, nabanesathuthwane, nabanedumbe, wabaphilisa ke.

25Walandelwa zizihlwele ezininzi zivela kwelaseGalili, naseDekapoli, naseYerusalem, nakwelakwaYuda, naphesheya kweYordan.

UMateyu 5

Intshumayelo yasentabeni: Abanoyolo

(ULuka 6:20-49)

1Uthe ke, akuzibona izihlwele ezo, wenyuka intaba; waza akuhlala phantsi, beza kuye abafundi bakhe.

2Wawuvula umlomo wakhe, wabafundisa, esithi,

3Banoyolo abangamahlwempu ngomoya; ngokuba ubukumkani bamazulu bobabo.

4Banoyolo abakhedamileyo; ngokuba baya konwatyiswa bona.

5Banoyolo abanobulali; ngokuba umhlaba baya kuwudla ilifa bona.

6Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa; ngokuba baya kuhluthiswa bona.

7Banoyolo abanenceba; ngokuba baya kwenzelwa inceba bona.

8Banoyolo abahlambulukileyo intliziyo; ngokuba baya kumbona uThixo bona.

9Banoyolo abaxolisi; ngokuba baya kubizwa ngokuthi bangoonyana bakaThixo bona.

10Banoyolo abatshutshiswa ngenxa yobulungisa; ngokuba ubukumkani bamazulu bobabo.

11Ninoyolo nina, xa bathe abantu baningcikiva, banitshutshisa, bathetha zonke izinto ezikhohlakeleyo ngani bexoka, ngenxa yam.

12Vuyani nigcobe kunene; ngokuba umvuzo wenu mkhulu emazulwini; kuba benjenjalo ukubatshutshisa abaprofeti ababekho phambi kwenu.

Ityuwa yehlabathi nokhanyiselo lwehlabathi

13Niyityuwa yehlabathi nina; ke ukuba ityuwa ithe ayaba nasongo, yothiwani na ukuvakaliswa? Ayisalungele nto, kukulahlwa phandle kuphela, inyathelwe ngabantu.

14Nina nilukhanyiselo lwehlabathi; umzi omi phezu kwentaba awunakufihlakala;

15kananjalo abasibaneki isibane basibeke phantsi kwesitya; basibeka esiphathweni saso, sikhanyisele bonke abasendlwini.

16Malukhanye ngokunjalo ukhanyiselo lwenu phambi kwabantu; ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise uYihlo osemazulwini.

Ukuzalisekiswa komthetho nabaprofeti

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ningabi ndizé kuchitha umthetho, nokuba ngabaprofeti; andizé kuchitha, ndizé kuzalisekisa.

18Kuba inene ndithi kuni, Koda kudlule izulu nehlabathi, kungakhanga kudlule nalinye iganyana nokuba lisuntswana emthethweni, kude kwenzeke konke.

19Othe ngoko wachitha noko umnye kule mithetho mincinanana, wabafundisa abantu ngokunjalo, kothiwa ungomncinanana ebukumkanini bamazulu; othe wenza wafundisa ngayo, kothiwa ngomkhulu ebukumkanini bamazulu.

20Kuba ndithi kuni, Ukuba ubulungisa benu abuthanga bugqithe kakhulu kobababhali nabaFarisi, anisayi kuza ningene ebukumkanini bamazulu.

21Nivile ukuba kwathiwa kumanyange, Uze ungabulali; wóthi othe wabulala, abe sisisulu somgwebo.

22Ke mna ndithi kuni, Wonke umntu ofumana amqumbele umzalwana wakhe, woba sisisulu somgwebo; othe ke kumzalwana wakhe, Ntw' ingento, woba sisisulu sentlanganiso yamatyala; othe ke, Siyathandini, woba sisisulu sesihogo somlilo.

23Ngoko xa sukuba uwusondeza umnikelo wakho esibingelelweni, wathi ulapho wakhumbula ukuba umzalwana wakho unendawo ngakuwe,

24wushiye apho umnikelo wakho phambi kwesibingelelo, uhambe uye uxolelane nomzalwana wakho kuqala, wandule ukuza uwusondeze umnikelo wakho.

25Lungisana kamsinya nokumangaleleyo, usesendleleni naye; hleze ummangaleli lowo akunikele emgwebini, aze umgwebi akunikele kumsila, uze uphoswe entolongweni.

26Inene ndithi kuwe, Akusayi kukha uphume khona apho, ude uhlawule nemalanana yokugqibela.

27Nivile ukuba kwathiwa kumanyange, Uze ungakrexezi.

28Ke mna ndithi kuni, Wonke umntu okhangela umntu oyinkazana, ukuba amkhanuke, uselemkrexezile entliziyweni yakhe.

29Ukuba ke iliso lakho lokunene liyakukhubekisa, linyothule ulilahle kuwe; kuba kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akho, kunokuba umzimba wakho uphela uphoswe esihogweni.

30Nokuba isandla sakho sokunene siyakukhubekisa, sinqamle usilahle kuwe; kuba kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akho, kunokuba umzimba wakho uphela uphoswe esihogweni.

31Kwathiwa ke, Othe wamala umfazi wakhe, makamnike incwadiyokwahlukana.

32Ke mna ndithi kuni, Othe wamala umfazi wakhe ngaphandle kwendawo yombulo, uyamkrexezisa; nothe wazeka owaliweyo, uyakrexeza.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Kanjalo nivile ukuba kwathiwa kumanyange, Uze ungafungi buxoki; wakuthi uzifeze
eNkosini izifungo zakho.

34Ke mna ndithi kuni, Maningakhe nifunge nto; nokuba lizulu, ngokuba yitrone
kaThixo;

35nokuba lihlabathi eli, ngokuba sisihlalo seenyawo zakhe; nokuba yiYerusalem,
ngokuba ngumzi woKumkani omkhulu.

36Uze ungayifungi nentloko yakho, ngokuba ungenamandla okwenza nalunye unwele
lube mhlophe, nokuba lube mnyama.

37Ilizwi lenu ke malibe nguewe, ewe; nguhayi, hayi. Okugqithe koko ke kuvela
kokungendawo.

38Nivile ukuba kwathiwa, Iliso maliphindezelwe ngeliso, nezinyo ngezinyo.

39Ke mna ndithi kuni, Maningasunduzani nokungendawo; yithi osukuba
ekutywakraza esidleleni sakho sokunene, umguqulele nesinye eso.

40Nalowo ufuna ukukumangalela, akuhluthe ingubo yangaphantsi, myekele
neyokwaleka.

41Nosukuba ekunyanzelela imayile enye, hamba naye zibe mbini.

42Mphe lowo ukucelayo, nalowo ufuna ukuboleka kuwe ungamnikeli umva.

43Nivile ukuba kwathiwa, Uze umthande ummelwane wakho, uluthiye utshaba
lwakho.

44Ke mna ndithi kuni, Zithandeni iintshaba zenu, basikeleleni abo baniqalekisayo,
benzeleni okulungileyo abo banithiyayo, nibathandazele abo banigxekayo
banitshutshise;

45ukuze nibe ngabantwana boYihlo osemazulwini; ngokuba ilanga lakhe elenza
liphume phezu kwabakhohlakeleyo nabalungileyo; nemvula eyinisa phezu
kwabalungisayo nabangalungisiyo.

46Kuba xa nithe nathanda abo banithandayo, ninamvuzo mni na? Àbenzi kwaloo nto
yini na nababuthi berhafu?

47Naxa nithe nabulisa abazalwana benu bodwa, yintoni na egqithiseleyo eniyenzayo?
Àbenjenjalo yini na nababuthi berhafu?

48Ngoko yibani ngabafezekileyo, njengokuba uYihlo osemazulwini efezekile.

UMateyu 6

Amalizo, nemithandazo, nokuzila ukudla

© 1975 Bible Society of South Africa.

[1]Lumkani, ubulungisa benu ningabenzeli ebusweni babantu, ngokunga ningábonwa ngabo; okanye, aninamvuzo kuYihlo osemazulwini.

[2]Ngoko, xa sukuba uliza abantu, ungahlokomisi xilongo phambi kwakho, njengoko benza ngako abahanahanisi ezindlwini zesikhungu, nasezitratweni, ukuze bazukiswe ngabantu. Inene ndithi kuni, Bawufincile umvuzo wabo.

[3]Ke wena, xa uliza abantu, masingazi isandla sakho sokhohlo into eyenziwa sisandla sakho sokunene,

[4]ukuze amalizo akho abe semfihlekweni; aze uYihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhleni yena.

[5]Naxa sukuba uthandaza, uze ungabi njengabahanahanisi; ngokuba bethanda ukuthandaza bemi ezindlwini zesikhungu nasezimbombeni zezitrato, ngokokuze babe nokubonwa ngabantu. Inene ndithi kuni, Bawufincile umvuzo wabo.

[6]Ke wena, xa sukuba uthandaza, ngena egumbini lakho, uthi, uluvalile ucango lwakho, uthandaze kuYihlo osemfihlekweni; aze noYihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhleni.

[7]Nithandaza njalo ke, maningenzi milembelele ingeyanto, njengabeentlanga; kuba beba boviwa ngenxa yamazwi abo amaninzi.

[8]Ngoko maningafani nabo; kuba ekwazi uYihlo enikusweleyo, ningekamceli.

[9]Thandazani ngoko nina nenjenje: Bawo wethu osemazulwini, malingcwaliswe igama lakho.

[10]Mabufike ubukumkani bakho. Makwenziwe ukuthanda kwakho nasemhlabeni, njengokuba kusenziwaemazulwini.

[11]Siphe namhla isonka sethu semihla ngemihla.

[12]Usixolele amatyala ethu, njengokuba nathi sibaxolela abo banamatyala kuthi.

[13]Ungasingenisi ekulingweni, sihlangule enkohlakalweni. Ngokuba bubobakho ubukumkani, namandla, nozuko, kuse kuwo amaphakade. Amen.

[14]Kuba xa nithi nibaxolele abantu iziphoso zabo, uYihlo osemazulwini wonixolela nani.

[15]Xa nithi ningabaxoleli abantu iziphoso zabo, noYihlo ke akayi kunixolela iziphoso zenu.

[16]Xa sukuba ke nizila ukudla, maningabi njengabahanahanisi, bona bamatshekileyo; kuba babenza bubi ubuso babo, ukuze babonakale ebantwini ukuba bazilile. Inene ndithi kuni, Bawufincile umvuzo wabo.

[17]Ke wena, wakuzila, yithambise intloko yakho, ubuhlambe ubuso bakho,

© 1975 Bible Society of South Africa.

18ukuze ungabonakali ebantwini ukuba uzilile, ubonakale kuYihlo osemfihlekweni;
aze uYihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhléni.

Ubutyebi basezulwini

19Ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apho konakalisa inundu nomhlwa, nalapho
amasela agqobhozayo ebe;

20ziqwebeleni ke ubutyebi emazulwini, apho kungonakalisi nundu namhlwa, nalapho
amasela angagqobhoziyo ebe;

21kuba apho bukhona ubutyebi benu, yoba lapho nentliziyo yenu.

Iliso elingenakumbi

22Isibane somzimba liliso; xa sukuba iliso lakho ngoko lingenakumbi, umzimba wakho
uphela wokhanyiseleka.

23Kodwa xa sukuba iliso lakho likhohlakele, umzimba wakho uphela woba
bubumnyama. Ukuba ngoko ukukhanya okukuwe kububumnyama, bungakanani na
ubumnyama obo!

Iinkosi ezimbini. Ukuxhalela ubomi

24Akukho mntu unako ukukhonza nkosi mbini; kuba eya kuyithiya le ayithande leya,
athi mhlawumbi abambelele kule ayidele leya. Aninako ukukhonza uThixo nobutyebi.

25Ngenxa yoko ndithi kuni, Musani ukubuxhalela ubomi benu, nisithinodla ntoni na;
nosela ntoni na; kwanomzimba wenu, nisithi niya kwambatha ntoni na. Ubomi
abungaphezulu na kuko ukudla, nomzimba awungaphezulu na kwinto
yokwambatha?

26Yondelani ezintakeni zasezulwini; ngokuba azihlwayeli, azivuni, azibutheli
koovimba; ukanti ke uYihlo osemazulwini uyazondla. Nina anizidlule kakhulu na?

27Nguwuphi na ke kuni onokuthi ngokuxhala ongeze ebukhulwini bakhe ikubhite ibe
nye?

28Kanjalo yini na ukuba nixhalele into yokwambatha? Gqalani iinyibiba zasendle,
ukuhluma kwazo; azibulaleki, azisonti nokusonta; ke ndithi kuni,

29noSolomon kubo bonke ubunewunewu bakhe, wayengavathiswanga nanjenganye
kuzo ezi.

30Ukuba ke ingca leyo yasendle, ethi namhla ibekho, ize ngomso iphoswe eziko,
wenjenjalo uThixo ukuyambathisa, akayi kunambathisa kakhulu ngakumbi
na, bantundini balukholo luncinane?

31Musani ukuxhala ngoko, nisithi, Sodla ntoni na, sosela ntoni na, siya kwambatha
ntoni na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Kuba zonke ezo zinto zingxanyelwe ziintlanga; kuba uYihlo wasemazulwini uyazi ukuba ezo zinto zonke ziyafuneka kuni.

33Funani ke tanci ubukumkani bukaThixo nobulungisa bakhe, zaye zonke ezo zinto ziya kongezelelwa kuni.

34Ngoko musani ukuxhalela ingomso; kuba ingomso liya kuxhalela okwalo. Buyanele imini leyo obayo ububi.

UMateyu 7

Ukungagwebi abanye

1Musani ukugweba, ukuze ningagwetywa.

2Kuba ngogwebo enigweba ngalo, niya kugwetywa kwangalo nani; nangomlinganiselo enilinganisela abanye ngawo, niya kulinganiselwa kwangawo nani.

3Yini na ke ukuba usibone isibi esisesweni lomzalwana wakho, kanti akuwuqiqi wona umqadi okwelakho iliso?

4Okanye ungáthini na ukuthi kumzalwana wakho, Yeka ndisikhuphe isibi eso esweni lakho, kanti nângo umqadi kwelakho iliso?

5Mhanahanisindini, wukhuphe kuqala umqadi lowo esweni lakho, wandule ukubona kakuhle ukusikhupha isibi esisesweni lomzalwana wakho.

Ukungakuniki izinja okungcwele

6Musani ukukunika izinja okungcwele, kanjalo ningaziphosi iiperile zenu phambi kweehagu, hleze zizinyathele ngamanqina azo, zijike ziniqwenge.

Ukuthandaza okuzingisileyo

7Celani, nophiwa; funani, nofumana; nkqonkqozani, novulelwa;

8kuba wonke umntu ocelayo uyazuza, nalowo ufunayo uyafumana, nalowo unkqonkqozayo uya kuvulelwa.

9Nguwuphi na umntu kuni ongáthi, ukuba unyana wakhe uthe wacela isonka, amnike ilitye?

10Athi, ukuba uthe wacela intlanzi, amnike inyoka?

11Ukuba ngoko nina, nikhohlakele nje, niyakwazi ukubapha abantwana benu izipho ezilungileyo, wobeka phi na yena uYihlo osemazulwini ukugqithisela ngokubapha okulungileyo abo bamcelayo?

12Zonke izinto ngoko enisukuba ninga bangazenza abantu kuni, yenzani ezikwanjalo nani kubo; kuba oko kungumthetho nabaprofeti.

Isango elibanzi nelimxinwa

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ngenani ngesango elimxinwa; ngokuba libanzi isango, iphangalele nendlela, esa entshabalalweni; baninzi ke abangena ngalo.

14Ngokuba limxinwa isango, icuthene nendlela, esa ebomini; bambalwa ke abalifumanayo.

Abaprofeti ababuxoki

15Ke kaloku balumkeleni abaprofeti ababuxoki, abeza kuni ngezambatho zeegusha, ngaphakathi ke beziingcuka eziqwengayo.

16Nobaqonda ngeziqhamo zabo. Kukha kukhiwe iidiliya emithaneni enameva, namakhiwane ezinkunzaneni, yini na?

17Ngokunjalo yonke imithi elungileyo ivelisa iziqhamo ezihle, ke wona umthi ongenguwo uvelisa iziqhamo ezibi.

18Umthi olungileyo awunakuvelisa ziqhamo zibi, nomthi ongenguwo awunakuvelisa ziqhamo zihle.

19Wonke umthi ongavelisi ziqhamo zihle uyagawulwa, uphoswe emlilweni.

20Ngoko ke nobaqonda ngeziqhamo zabo.

Ukuva nokwenza ilizwi

21Asingabo bonke abathi kum, Nkosi, Nkosi, abaya kungena ebukumkanini bamazulu; ngokwenzayo ukuthanda kukaBawo osemazulwini.

22Baninzi abaya kuthi kum ngaloo mini, Nkosi, Nkosi, sasingathe na engameni lakho saprofeta, sathi egameni lakho sakhupha iidemon, sathi egameni lakho senza imisebenzi yamandla emininzi?

23Ndandule ndibaxelele, ndithi, Andizanga ndinazi; mkani kum, nina nenza okuchasene nomthetho.

24Wonke umntu osukuba ngoko eweva la mazwi am, awenze, ndomfanekisa nendoda eyingqondi, yona yayakhelayo elulwalweni indlu yayo.

25Yehla imvula, yeza imilambo, yavuthuza imimoya, yagaleleka kuloo ndlu; ayawa, kuba ibisekelwe elulwalweni.

26Nomntu wonke owevayo la mazwi am, angawenzi, wofanekiswa nendoda esisiyatha, yona yayakhelayo entlabathini indlu yayo.

27Yehla imvula, yeza imilambo, yavuthuza imimoya, yabetha kuloo ndlu; yawa; saba sikhulu ke isiwo sayo.

28Kuthe ke, xenikweni uYesu ebewagqibile la mazwi, zakhwankqiswa iindimbane kukufundisa kwakhe;

29kuba ebezifundisa njengonegunya, engafundisi njengabo ababhali.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UMateyu 8

Oneqhenqa uyaphiliswa

(UMarko 1:40-45; uLuka 5:12-14)

1Ke kaloku, akuhla entabeni apho, walandelwa ngabantu abaninzi.

2Nanko kusiza oneqhenqa, waqubuda kuye, esithi, Nkosi, ukuba uyathanda, unako ukundihlambulula.

3Wasolula isandla uYesu, wamchukumisa, esithi, Ndiyathanda, hlambuluka. Lahlambuluka kwaoko iqhenqa lakhe.

4Athi uYesu kuye, Lumka angaxeleli bani; hamba uye kuzibonisa kumbingeleli, usondeze umnikelo awamisa wona uMoses, ube bubungqina kubo.

Ukuphiliswa kwesicaka somthetheli-khulu

(ULuka 7:1-10)

5Ke kaloku, akubon' ukuba uYesu ungene eKapernahum, kweza kuye umthetheli-khulu embongoza,

6esithi, Nkosi, isicaka sam silele ngendlu, sinedumbe, sithuthunjelwa ngokoyikekayo.

7Athi uYesu kuye, Ndoza ndisiphilise mna.

8Waphendula umthetheli-khulu, wathi, Nkosi, andikulingene ukuba ude ungene phantsi kophahla lwam; thetha ilizwi lodwa, sophiliswa isicaka sam.

9Kuba nam ndingumntu ophantsi kwegunya labanye, ndinamasoldati phantsi kwam; ndithi kweli, Yiya, liye; kweliya, Yiza, lize; kwisicaka sam, Yenza oku, sikwenze.

10Evile ke uYesu wamangaliswa, wathi kwabalandelayo, Inene ndithi kuni, andifumananga lukholo lungaka nakwaSirayeli.

11Ndithi ke kuni, Baninzi abaya kufika bevela empumalanga nasentshonalanga, bangqengqe ndawonye noAbraham noIsake noYakobi ebukumkanini bamazulu.

12Kodwa bona abantwana bobukumkani baya kukhutshelwa emnyameni ongaphandle; khona apho kuya kubakho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

13Waza wathi uYesu kumthetheli-khulu, Hamba ke, makwenzeke kuwe ngokokholo lwakho. Saphiliswa kwangalo elo lixa isicaka sakhe.

Umkhwekazi kaPetros nabanye abaninzi bayaphiliswa

(UMarko 1:29-34; uLuka 4:38-41)

14Ke kaloku uYesu wangena endlwini kaPetros, wabona umkhwekazi wakhe elele, esifa yicesina.

15Waza wachukumisa isandla sakhe, yamyeka icesina; wavuka ke, wabalungiselela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Kuthe ke kwakuhlwa, kwaziswa kuye into eninzi yabaphethwe ziidemon;
wabakhupha oomoya abo ngelizwi, wathi nabo bonke abafayo wabaphilisa;

17ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngoIsaya umprofeti, esithi, Yena ngokwakhe
wabuthabatha ubulwelwe bethu, wazithwala izifo zethu. (UIsaya 53:4)

Ukulandelwa kukaYesu
(ULuka 9:57-62)

18Uthe ke uYesu, akubona abantu abaninzi bemphahlile, wathi makumkiwe kuyiwe
ngaphesheya.

19Kweza mbhali uthile, wathi kuye, Mfundisi, ndiya kukulandela apho ungaya khona.

20Athi uYesu kuye, Iimpungutye zinemingxuma, neentaka zezulu zineendawo
zokuhlala; yena uNyana woMntu akanandawo apho angalalisa khona intloko.

21Uthe ke omnye wabafundi bakhe kuye, Nkosi, ndivumele ndiye kungcwaba ubawo
kuqala.

22Wathi ke uYesu kuye, Landela mna, ubayeke abafileyo bangcwabe abafileyo babo.

Ukuzoliswa koqhwithela
(UMarko 4:35-41; uLuka 8:22-25)

23Engenile ke emkhombeni, bamlandela abafundi bakhe.

24Kwasuka kwabakho uqhwithela olukhulu elwandle, ngokokude umkhombe
ugutyungelwe ngamaza; waye ke yena elele ubuthongo.

25Beza abafundi bakhe bamvusa, besithi, Nkosi, sisindise, satshabalala!

26Athi kubo, Yini na ukuba nibe ngamagwala, bantundini balukholo luncinane? Waza
wavuka, wayikhalimela imimoya nolwandle; kwabakho ukuzola okukhulu.

27Bamangaliswa ke abantu abo, besithi, Ngumntu mni na lo, le nto alulanyelwayo
nayimimoya nalulwandle?

Abaphethwe ziidemon baseGadara
(UMarko 5:1-20; uLuka 8:26-39)

28Kuthe akufika ngaphesheya, ezweni lamaGergasi, kwaqubisana
naye abantu ababini abaphethwe ziidemon, bephuma emangcwabeni,
belugcalagcala, kwada kwayinkohla ukuba kudlule umntu ngaloo ndlela.

29Basuka bakhala besithi, Yintoni na enathi nawe, Yesu, Nyana kaThixo? Apha uzé
kusithuhumbisa na phambi kwelona xesha?

30Bekukho ke mgama kubo ugxuba olukhulu lweehagu lusidla.

31Zaye ke iidemon zimbongoza, zisithi, Ukuba uyasikhupha, sivumele siye kungena
elugxubeni lweehagu oluya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Wathi kuzo, Yiyani. Zaphuma ke, zaya kungena elugxubeni lweehagu; lwasuka lonke ugxuba lweehagu lwaphaphatheka, lwehla eweni, lwéla elwandle; zatshabalala emanzini.

33Bathe ke abo babezalúsa basaba, baya ekhaya, babika into yonke, kwanendawo yababephethwe ziidemon.

34Wasuka wonke umzi waphuma, waya kumhlangabeza uYesu; bathi bakumbona, bambongoza ukuba agqithe kuloo mida yabo.

UMateyu 9

Ukuphiliswa konedumbe

(UMarko 2:3-12; uLuka 5:18-26)

1Engenile ke emkhombeni, wawela, weza kufika emzini wakowabo.

2Ke kaloku bazisa kuye umntu onedumbe, elele elukhukweni. UYesu, elubona ukholo lwabo, wathi kuye onedumbe, Mntwana wam, yomelela; zixolelwe izono zakho.

3Besuka ababhali abathile, bathi phakathi kwabo, Lo uyanyelisa.

4UYesu, ezibona iingcingane zabo, wathi, Yini na ukuba nicinge izinto ezikhohlakeleyo ezintliziyweni zenu?

5Kuba okukhona kulula kukuphi na, kukho ukuthi, Zixolelwe izono zakho; kukho nokuthi, Vuka uhambe?

6Kodwa ukuze nazi ukuba únalo igunya emhlabeni uNyana woMntu lokuxolela izono (selesithi konedumbe), Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uye endlwini yakho.

7Wavuka ke, wemka waya endlwini yakhe.

8Zikubonile ke oko izihlwele, zamangaliswa, zamzukisa uThixo, obanike abantu igunya elingaka.

Ukubizwa kukaMateyu

(UMarko 2:14-17; uLuka 5:27-32)

9Edlula apho, uYesu wabona umntu ehleli endaweni yerhafu, okuthiwa nguMateyu; athi kuye, Ndilandele. Wesuka ke, wamlandela.

10Kwathi, akubon' ukuba uhleli ngasesithebeni endlwini, kwabonakala into eninzi yababuthi berhafu naboni, yeza yahlala ndawonye noYesu nabafundi bakhe.

11Bakukubona oko abaFarisi, bathi kubafundi bakhe, Kungani na ukuba umfundisi wenu adle nababuthi berhafu naboni?

12Ekuvile ke uYesu oko, wathi kubo, Akufuneki gqirha kwabaphilileyo, lifuneka kwabafayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Khaniye nifunde ukuba kukuthini na ukuthi, Ndithanda inceba, andithandi mbingelelo; kuba andizé kubiza malungisa, ndizé kubiza aboni ukuba baguquke.

Ukuzila ukudla
(UMarko 2:18-22; uLuka 5:33-38)

14Baza bafika kuye abafundi bakaYohane, besithi, Kungani na ukuba sizile ukudla kaninzi, thina nabaFarisi, kanti bona abafundi bakho abakuzili?

15Wathi uYesu kubo, Banako yini na abegumbi lomtshakazi ukukhedama, lo gama umyeni asenabo? Kodwa kuya kufika mihla awothi asuswe kubo umyeni, bandule ke ukuzila.

16Akukho ke ubeka isiziba somchako omtsha engutyeni endala; kuba eso sifakiweyo siyakrazula engutyeni, sibe sibi ngokunye isikroba.

17Kanjalo ayithiwa iwayini entsha ezintsubeni ezindala; kwénjiwe njalo, zingagqabhuka iintsuba, iphalale iwayini, zitshabalale iintsuba; yona iwayini entsha ithiwa ezintsubeni ezintsha, zigcinakale ezo nto zombini.

Intokazi eyayinethombo legazi. Intombi kaYayiro
(UMarko 5:22-43; uLuka 8:40-56)

18Akubon' ukuba uyazithetha ezi zinto kubo, nanko kusiza umphathi, waqubuda kuye, esithi, Intombi yam ibhubhé ngoku; yiza ubeke isandla sakho phezu kwayo, yophila.

19Wesuka uYesu wamlandela, kwanabafundi bakhe.

20Nanko kusiza ntokazi ithile, eyayinethombo legazi iminyaka elishumi elinamibini; yafika ngasemva yachukumisa umqukumbelo wengubo yakhe;

21kuba ibisithi ngaphakathi kwayo, Ukuba ndithe ndachukumisa ingubo yakhe nje kodwa, ndophiliswa.

22Wajika uYesu, wayibona, wathi, Ntombi yam, yomelela, ukholo lwakho lukusindisile. Yasindiswa loo ntokazi kwangelo lixa.

23Uthe akufika uYesu endlwini yomphathi, wazibona iingwali nabantu abaninzi bephithizela; athi kubo,

24Khwelelani; kuba intombazana ayifile, ilele.

25Basuka bamwa ngentsini. Uthe ke bakukhutshelwa phandle abantu, wangena, wayibamba ngesandla, yaza yavuka intombazana leyo.

26Lwaza lwaphuma udumo lwale nto, lwaya kuwo wonke loo mhlaba.

Ukuphiliswa kweemfama ezimbini nesidenge

27Kuthe ke akuba edlula apho uYesu, walandelwa ziimfama ezimbini, zidanduluka, zisithi, Senzele inceba, nyana kaDavide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Zithe, akungena ke endlwini, zeza kufika kuye iimfama; athi kuzo uYesu,
Niyakholwa na ukuba ndinako ukukwenza oko? Zithe kuye, Ewe, Nkosi.

29Wandula ukuwachukumisa amehlo azo, esithi, Ngokokholo lwenu makwenzeke
kuni.

30Avuleka ke amehlo azo. Waza uYesu waziyala kalukhuni, esithi, Lumkani ingàziwa
mntu le nto.

31Kodwa zona zaphuma, zalubhengeza udumo lwakhe kuwo wonke loo mhlaba.

32Ke kaloku zakubon' ukuba ziyaphuma, kwabonakala kuziswa kuye umntu
osisidenge, ophethwe yidemon.

33Kwathi, yakukhutshwa idemon, sathetha isidenge; zamangaliswa izihlwele, zisithi,
Akuzanga kubonwe okunje kwaSirayeli.

34Ke bona abaFarisi babesithi, Iidemon ezi uzikhupha ngaye umphathi weedemon.

Isivuno nabasebenzi baso

35Waye uYesu eyihamba yonke imizi nemizana, efundisa ezindlwini zabo zesikhungu,
evakalisa iindaba ezilungileyo zobukumkani, ephilisa izifo zonke nezikhuhlane zonke
ebantwini.

36Wathi, akuzibona izihlwele, wasikwa yimfesane zizo, ngokuba zibe zityhafile,
zichithakele ngokwezimvu ezingenamalusi.

37Aze athi kubafundi bakhe, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi
bambalwa.

38Khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo.

UMateyu 10

Abafundi abalishumi elinababini nokuthunywa kwabo

(UMarko 6:7-13; uLuka 6:12-16; 9:1-6)

1Waza wababizela kuye abafundi bakhe abalishumi elinababini, wabanika igunya
koomoya abangcolileyo, ukuze babakhuphe, nelokuphilisa izifo nezikhuhlane zonke.

2Amagama ke abapostile abo balishumi elinababini ngawo la: owokuqala, uSimon
ekuthiwa nguPetros, noAndreya umzalwana wakhe; uYakobi kaZebhedi, noYohane
umzalwana wakhe;

3uFilipu noBhartolomeyu; uTomas noMateyu, umbuthi werhafu; uYakobi ka-Alifeyu,
noLebheyu, ogama limbi linguTadeyu;

4uSimon umKanan noYuda Sikariyoti, lowo wamngcatshayo.

5Abo bashumi linababini wabathuma uYesu, akuba ebayalile, wathi, Ze ningasingi
endleleni yeentlanga, ningangeni nasemzini wamaSamariya;

© 1975 Bible Society of South Africa.

[6]yiyani ke kanye kwizimvu ezilahlekileyo zendlu kaSirayeli.

[7]Ekuhambeni kwenu ke vakalisani, nisithi, Ubukumkani bamazulu busondele.

[8]Philisani imilwelwe, hlambululani abaneqhenqa, vusani abafileyo, khuphani iidemon; namkéle ngesisa, yiphani ngesisa.

[9]Ningaziqwebeli golide nasilivere nalubhedu emibhinqweni yenu;

[10]nangxowa yandlela, nangubo zangaphantsi ngambini, nambadada, namsimelelo; kuba umsébenzi ufanelwe kukudla kwakhe.

[11]Emzini ke enithe nangena kuwo, nokuba kusemzaneni, ize nibúzise ukuba ngubani na kuwo ofanelekileyo; nihlale ke khona apho nide nimke.

[12]Ekungeneni kwenu ke endlwini, ize niyibulise.

[13]Ukuba ke ifanelekile indlu leyo, malube phezu kwayo uxolo lwenu; ukuba ayifanelekile, uxolo lwenu malubuyele kwakuni.

[14]Nóthe àkawamkela, akaweva amazwi enu, nàkuphuma kuloo ndlu nakuloo mzi, vuthululani uthuli lweenyawo zenu.

[15]Inene ndithi kuni, Koba nokunyamezeleka okomhlaba waseSodom nowaseGomora ngomhla womgwebo, kunokwaloo mzi.

[16]Yabonani, mna ndinithuma njengezimvu phakathi kweengcuka; ngoko yibani nobulumko njengeenyoka, nibe njengamahobe ukungabi nabuqhinga.

[17]Balumkeleni ke abantu; kuba baya kuninikela ezintlanganisweni zamatyala, banityakatye ezindlwini zabo zesikhungu;

[18]náye ke niya kusiwa phambi kwabalawuli nookumkani ngenxa yam, ze kube bubungqina kubo, nakuzo iintlanga.

[19]Xa sukuba ke beninikela, ize ningaxhaleli ukuba nothetha ngakuphi na, nokuba nothetha ntoni na; kuba niya kunikwa ngelo lixa oko nothetha khona.

[20]Kuba asinini abathethayo, nguMoya kaYihlo othethayo ngaphakathi kwenu.

[21]Ke kaloku umzalwana uya kunikela umzalwana ekufeni, aze uyise anikele umntwana; bathi nabantwana basuke phezu kwabazali bababulalisise;

[22]niya kuthiywa ngabantu bonke ngenxa yegama lam; ke onyamezelayo kwada kwaba kwasekupheleni, uya kusindiswa yena.

[23]Xa sukuba ke benitshutshisa kuloo mzi, sabelani kuwumbi; kuba inene ndithi kuni, Aniyi kukha niyigqibe imizwi yakwaSirayeli, engekafiki uNyana woMntu.

[24]Akukho mfundi mkhulu kunomfundisi wakhe, akukho mkhonzi mkhulu kunenkosi yakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Kumanele umfundi ukuba abe njengomfundisi wakhe, nomkhonzi ukuba abe njengenkosi yakhe. Ukuba umninindlu bambize ngoBhelezebhule, akukhona bobabiza ngaye yini na abo bendlu yakhe?

26Musani ukuboyika ngoko; kuba akukho nto igutyungelweyo ingayi kutyhilwa, nefihlakeleyo ingayi kwaziwa.

27Oko ndikuthetha kuni emnyameni, kuxeleni emhlotsheni; noko nikuvayo endlebeni, kumemezeni phezu kwezindlu.

28Ningaboyiki abo babulala umzimba, kodwa bengenako ukuwubulala wona umphefumlo; yoyikani ke kanye lowo unako ukutshabalalisa umphefumlo kwanomzimba esihogweni somlilo.

29Àbathengiswa ngepeni na oongqatyana ababini? Kanti akuyi kuwa namnye kubo emhlabeni ngaphandle koYihlo.

30Nina ke, kwaneenwele ezi zentloko yenu zibaliwe zonke.

31Musani ukoyika ngoko; nibagqithile oongqatyana abaninzi nina.

32Wonke umntu ngoko oya kundivuma phambi kwabantu, ndiya kumvuma nam phambi koBawo osemazulwini.

33Osukuba ke eya kundikhanyela phambi kwabantu, ndiya kumkhanyela nam phambi koBawo osemazulwini.

34Ningabi ndize kungenisa uxolo emhlabeni; andize kungenisa luxolo, ndize kungenisa ikrele.

35Kuba ndize kubambanisa umntu noyise, intombi nonina, umolokazana noninazala.

36Zaye iintshaba zomntu ziya kuba ngabendlu yakhe.

37Lowo uthanda uyise nokuba ngunina kunam, akandifanele mna; nalowo uthanda unyana wakhe nokuba yintombi yakhe kunam, akandifanele mna.

38Nongawuthabathiyo umnqamlezo wakhe, alandele emva kwam, akandifanele mna.

39Lowo uwufumeneyo umphefumlo wakhe, wolahlekwa nguwo; nalowo uwulahlileyo umphefumlo wakhe ngenxa yam, uya kuwufumana.

40Lowo wamkela nina, wamkela mna; nalowo wamkela mna, wamkela owandithumayo.

41Lowo wamkela umprofeti egameni lomprofeti, uya kwamkela umvuzo womprofeti; nalowo wamkela ilungisa egameni lelungisa, uya kwamkela umvuzo welungisa.

42Nothe waseza noko amnye waba bangabona bancinane indebe yodwa yamanzi abandayo egameni lomfundi, inene ndithi kuni, akayi kukha alahlekelwe ngumvuzo wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UMateyu 11

1Kwathi, xeshikweni uYesu ebegqibile ukubamisela abafundi bakhe abalishumi elinababini, wesuka apho waya kufundisa nokushumayela emizini yabo.

UYohane umbhaptizi uthumela abafundi ababini kuYesu
(ULuka 7:18-35)

2Ke kaloku uYohane, eyive esentolongweni imisebenzi kaKristu, wesusa bababini kubafundi bakhe, wathi kuye,

3Wena ungulowo uzayo na, silinde wumbi, kusini na?

4Waphendula uYesu wathi kubo, Hambani niye kumbikela uYohane izinto enizivayo nenizibonileyo:

5iimfama zibuya zibone, neziqhwala ziyahamba; abaneqhenqa bayahlanjululwa, nezithulu ziyeva; abafileyo bayavuswa, namahlwempu ayazishunyayezwa iindaba ezilungileyo.

6Unoyolo othe akakhutyekiswa ndim.

7Bakubon' ukuba bayemka abo, waqala uYesu wathi kwizihlwele ngaye uYohane, Náye niphuma nisiya kubona ntoni na entlango? Yabe iyingcongola na, izanyazanyiswa ngumoya?

8Naye niphuma nisiya kubona ntoni na kodwa? Yabe ingumntu ovethe iingubo ezitofotofo na? Yabonani, abo bambatha ezitofotofo baba sezindlwini zookumkani bona.

9Náye niphuma nisiya kubona ntoni na kodwa? Yabe ingumprofeti na? Ewe, ndithi kuni, nóde wagqithisa kumprofeti.

10Kuba lo ngulowo kubhaliweyo ngaye, kwathiwa, Yabona, mna ndiyasithuma isithunywa sam ngaphambi kobuso bakho, Esiya kuyilungisa indlela yakho phambi kwakho. (UMal. 3:1)

11Inene ndithi kuni, Phakathi kwabo bazelweyo ngabafazi, akuvelanga mkhulu kunoYohane umbhaptizi; kanti ke nomncinane kwabanye ebukumkanini bamazulu mkhulu kunaye.

12Kususela ke kwimihla kaYohane umbhaptizi kude kube kalokunje, ubukumkani bamazulu buyagonyamelwa, bathi abagonyameli babuthimbe.

13Kuba bonke abaprofeti nomthetho báprofeta kwada kwakho uYohane.

14Kananjalo ukuba niyavuma ukukwamkela oko, yena nguEliya, lo bekuthiwa uza kufika.

15Lowo uneendlebe zokuva makeve.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ke kaloku ndiya kusifanisa nantoni na esi sizukulwana? Sifana namakhwenkwana
ehleli ezindaweni zembutho,

17ekhwaza abalingane bawo, esithi, Sanigwalela, naza nina anaduda; sanihlabela
isililo, naza nina anambambazela.

18Kuba uYohane weza engadli, engaseli, basuka bathi, Ùnedemon.

19UNyana woMntu yena weza esidla, esela, basuka bathi, Khanibone umntu olidla-
kudla, olisela-wayini, umhlobo wababuthi berhafu naboni. Ubulumko bugwetyelwe
kokuvela ebantwaneni babo.

Imizi emithathu engavumi kuguquka
(ULuka 10:13-15)

20Waza waqala ukuyidubula loo mizi yayenzeke kuyo inkoliso yemisebenzi yakhe
yamandla, ngokuba ingaguqukanga, esithi, Yeha, wena Korazin!

21Yeha, wena Bhetesayida! Ngokuba imisebenzi yamandla eyenzeke kuni, ukuba
yayenzeke eTire naseTsidon, inge yaguquka kudala loo mizi ngeengubo ezirhwexayo
nangothuthu.

22Ke ndithi kuni, Kuya kuba nokunyamezeleka kwiTire nakwiTsidon ngomhla
womgwebo kunáni.

23Nawe Kapernahum, uphakanyiselweyo ezulwini, uya kuphoselwa phantsi
kwelabafileyo; ngokuba imisebenzi yamandla eyenzeke kuwe, ukuba yayenzeke
eSodom, inge ihleli kwada kwaba namhla.

24Ke ndithi kuni, Kuya kuba nokunyamezeleka okomhlaba waseSodom ngomhla
womgwebo kunawe.

25Ngelo xesha waphendula uYesu wathi, Ndiyabulela kuwe, Bawo, Nkosi yamazulu
nehlabathi, ngokuba ezi zinto wazifihlayo kwizilumko nakwiingqondi, wazityhilela
iintsana;

26ewe, Bawo, ngokuba kwakholeka phambi kwakho ukuba kube njalo.

27Zonke izinto zinikelwe kum nguBawo; kanjalo akukho umaziyo uNyana, kuphela
nguYise; akukho umaziyo uYise, kuphela nguNyana, nalowo athi uNyana athande
ukumtyhilela.

Idyokhwe kaYesu
(ULuka 10:21-24)

28Yizani kum nonke nina nibulalekayo, nisindwayo ngumthwalo, ndoninika
ukuphumla.

29Thabathani idyokhwe yam niyithwale, nifunde kum; ngokuba ndinobulali,
ndithobekile ngentliziyo; noyifumanela ukuphumla imiphefumlo yenu.

30Kuba idyokhwe yam imnandi, nomthwalo wam ulula.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UMateyu 12

UYesu uyiNkosi yesabatha
(UMarko 2:23-28; uLuka 6:1-5)

1Ngelo xesha uYesu wacanda emasimini ngesabatha; baye ke abafundi bakhe
belambile, baqala ukukha izikhwebu, badla.

2Ke kaloku abaFarisi, bakukubona oko, bathi kuye, Yabona, abafundi bakho benza
oko kungavumelekileyo ukwenziwa ngesabatha.

3Wathi ke kubo, Aniyilesanga na into awayenzayo uDavide, xa walambayo, yena
nabo babenaye;

4okokuba wangena endlwini kaThixo, wazidla izonka ezibekwa phambi koThixo,
ekube kungavumelekile ukuba azidle yena, kwanabo
babenaye, kuvumelekele ababingeleli bodwa?

5Anilesanga na emthethweni, ukuba ngesabatha ababingeleli etempileni
bayayingcolisa isabatha, bangazeki tyala noko?

6Ndithi ke kuni, omkhulu kunayo itempile ukho apha.

7Ukuba ke nibe nikwazile ukuba kuthini na ukuthi, Ndithanda inceba,
andithandi mbingelelo, ninge ningabagwebanga abangenatyala.

8Kuba uNyana woMntu uyiNkosi yayo nesabatha.

Ukuphiliswa kowome isandla
(UMarko 3:1-6; uLuka 6:6-11)

9Esukile ke apho, waya kungena endlwini yabo yesikhungu.

10Kwabonakala kukho umntu owome isandla; baza bambuza, besithi, Kuvumelekile
na ukuphilisa ngesabatha? ukuze bammangalele.

11Wathi ke kubo, Kuni apha nguwuphi na umntu ongethi, enemvu inye, yaza yona
yeyela emhadini ngesabatha, angayibambi ayirhole?

12Ubeke phi na ke umntu ukuyigqitha imvu? Ngoko ke kuvumelekile ukwenza
okulungileyo ngesabetha.

13Aze athi kumntu lowo, Solule isandla sakho. Wasolula, sabuya saphila ke, saba
kwanjengesinye.

14Bathi ke abaFarisi babhunga ngaye bakuphuma, ukuze bamtshabalalise.

15Uthe ke uYesu, ekwazi oko, wemka apho; walandelwa ngabantu abaninzi;
wabaphilisa bonke.

16Wabakhalimela ukuba bangamtyhili;

17ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngoIsaya umprofeti, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Yabonani, umkhonzi wam endimnyulileyo; Intánda yam okholisiweyo yiyo umphefumlo wam; Ndiya kumbeka uMoya wam phezu kwakhe, Waye eya kuzibikela iintlanga umgwebo.

19Akayi kuphika, akayi kunkqangaza, Akukho mntu uya kuliva izwi lakhe ezitratweni.

20Ingcongolo etyumkileyo akayi kuyaphula, Nomsonto oqhumayo akayi kuwucima, Ade awuphumelelisele ekoyiseni umgwebo;

21Kanjalo ziya kuthembela egameni lakhe iintlanga. (UIsaya 42:1-4)

AbaFarisi banyelisa uThixo
(UMarko 3:20-30; uLuka 11:14-23)

22Kwaza kwaziswa kuye ophethwe yidemon, eyimfama, esisidenge; wamphilisa, wada lowo uyimfama usisidenge wathetha, wabona nokubona.

23Zathi nqa ke zonke izihlwele, zathi, Ngunyana kaDavide kanti na lo?

24Kodwa bona abaFarisi, bakuva, bathi, Lo yena akazikhuphi iidemon, kuphela kungoBhelezebhule, umphathi weedemon.

25Uthe ke uYesu, ezazi iingcingane zabo, wathi kubo, Ubukumkani bonke obahlulelene bodwa buyaphanza, nomzi wonke nendlu yonke eyahlulelene yodwa ayisayi kuma.

26Ukuba ke uSathana ukhupha uSathana, wahlulelene yedwa; bothini na ngoko ukuma ubukumkani bakhe?

27Ukuba mna ndizikhupha iidemon ngoBhelezebhule, bazikhupha ngabani na onyana benu? Ngenxa yoko baya kuba ngabagwebi benu bona.

28Kodwa ukuba ndizikhupha iidemon ngoMoya kaThixo mna, ngoko bunifikele kanti ubukumkani bukaThixo.

29Angáthini na umntu ukuba nako ukungena endlwini yegorha elo, ayiphange impahla yalo, ukuba akathanga tanci alibophe igorha, andule ke ukuyiphanga indlu yalo?

30Lowo ungengakum uchasene nam, nalowo ungandibuthisiyo uyachithachitha.

31Ngenxa yoko ndithi kuni, Konke ukona nokunyelisa bokuxolelwa abantu; kodwa khona ukumnyelisa uMoya oyiNgcweleabasayi kukuxolelwa abantu.

32Nothe wathetha ilizwi elichasene noNyana woMntu uya kuxolelwa; kodwa othe wathetha elichasene noMoya oyiNgcwele, akasayi kuxolelwa yena, nakweli phakade, nakwelo lizayo.

Imithi neziqhamo
(ULuka 6:43-45)

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Wenzeni mhle umthi, nesiqhamo sawo sibe sihle; nithi mhlawumbi niwenze mbi umthi, nesiqhamo sawo sibe sibi; kuba umthi waziwa ngesiqhamo sawo.

34Nzalandini yamarhamba, ningathini na ukuba nako ukuthetha izinto ezilungileyo, nikhohlakele nje? Kuba umlomo uthetha ngokuphuphuma kwentliziyo.

35Umntu olungileyo, ebuncwaneni obulungileyo bentliziyo yakhe, ukhupha izinto ezilungileyo; nomntu okhohlakeleyo, ebuncwaneni obukhohlakeleyo, ukhupha izinto ezikhohlakeleyo.

36Ndithi ke kuni, Onke amazwi angewaní abathe bawathetha abantu, baya kuphendula ngawo ngomhla womgwebo;

37kuba ngawo amazwi akho ùya kugwetyelwa, nangawo amazwi akho ùya kugwetywa.

Umqondiso kaYona

(ULuka 11:16,29-32)

38Kwaza kwaphendula abathile bakubabhali nabaFarisi, besithi, Mfundisi, singa singabona umqondiso uvela kuwe.

39Waphendula ke wathi kubo, Isizukulwana esingendawo, esikrexezayo, singxamele umqondiso; ke asiyi kunikwa mqondiso, ungenguwo umqondiso kaYona umprofeti.

40Kuba, njengokuba uYona ebemini ntathu nabusuku buthathu esiswini sentlanzi enkulu, kwangokunjalo, uNyana woMntu woba mini ntathu nabusuku buthathu embilinini womhlaba.

41Amadoda aseNineve aya kusuka eme ngomgwebo nesi sizukulwana, asigwebe; ngokuba aguquka wona ngomemezo lukaYona; ke omkhulu kunoYona nanku apha.

42Ukumkanikazi welasezantsi uya kusuka eme ngomgwebo nesi sizukulwana, asigwebe; ngokuba wavela eziphelweni zomhlaba, esiza kuva ubulumko bukaSolomon; kanti ke omkhulu kunoSolomon nanku apha.

43Xa uthe ke waphuma umoya ongcolileyo emntwini, ucanda ezindaweni ezingenamanzi, ufuna ukuphumla, ungakufumani.

44Uze uthi, Ndiya kubuyela kwasendlwini yam endaphuma kuyo; uthi ke wakufika uyifumane izé, itshayelwe, ivathisiwe.

45Wandule ke ukuya uthabathe uze nabanye oomoya, abasixhenxe abakhohlakeleyo kunawo, bangene beme khona; lize ikamva laloo mntu libe libi kunesiqaleko sakhe; kuya kuba njalo nakwesi sizukulwana singendawo.

Izizalwane zenene zikaYesu

(UMarko 3:31-35; uLuka 8:19-21)

46Akubon' ukuba usathetha neendimbane ezo, kwathi thaphu unina nabazalwana bakhe, bema ngaphandle, befuna ukuthetha naye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

47Wathi ke othile kuye, Nanku unyoko nabazalwana bakho, bemi ngaphandle, befuna
ukuthetha nawe.

48Uphendule ke wathi kulowo ubemxelele, Ngubani na uma? Kanjalo ngoobani na
abazalwana bam

49Esolule isandla sakhe phezu kwabafundi bakhe, uthe, Nanku uma nabazalwana
bam;

50kuba osukuba ekwenza ukuthanda kukaBawo osemazulwini, yena lowo
ngumzalwana wam, nodade wethu, noma.

UMateyu 13

Umzekeliso womhlwayeli

(UMarko 4:1-20; uLuka 8:4-15)

1Ke kaloku, kwangaloo mini waphuma uYesu endlwini, waya wahlala ngaselwandle.

2Kwahlanganisana kuye abantu abaninzi, wada yena wangena emkhombeni, wahlala
phantsi; zathi zonke izihlwele zema elunxwemeni.

3Wathetha kubo iindawo ezininzi ngemizekeliso, esithi, Yabonani, umhlwayeli
waphuma waya kuhlwayela.

4Ekuhlwayeleni kwakhe inxalenye yeenkozo yawa ngasendleleni, zeza iintaka zayidla
zayigqiba.

5Ezinye ke zawa ezindaweni ezilulwalwa, apho bezingenamhlaba mninzi; zaphuma ke
kwaoko, ngenxa yokuba bezingenabunzulu bamhlaba;

6zathi ke lakuphuma ilanga zatsha, zaza ngenxa yokuba zingenangcambu zoma
kwaphela.

7Ezinye ke zawa emithaneni enameva, yaza imithana enameva yakhula yaziminxa.

8Ezinye ke zawa kuwo wona umhlaba omhle, zanika iziqhamo, olunye lwanika ikhulu,
olunye amashumi amathandathu, nolunye amashumi amathathu.

9Lowo uneendlebe zokuva makeve.

10Beza abafundi bathi kuye, Kungani na ukuba uthethe kubo ngemizekeliso?

11Waphendula ke wathi kubo, Kungokuba nikuphiwe nina ukuzazi iimfihlelo
zobukumkani bamazulu, babe ke bona bengakuphiwanga.

12Kuba osukuba enako, yena uya kuphiwa, aze abe nako ngokugqithiseleyo; kodwa
osukuba engenako, uya kuhluthwa kwanoko anako.

13Ngenxa yoko ndithetha nabo ngemizekeliso; ngokuba bebona nje bengaboni,
besiva nje bengeva, bengaqondi nokuqonda.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Sizalisekele kubo ke isiprofeto sikaIsaya esithi, Ukuva niya kuva, ningakhe niqonde;
Nithi nibona nje nibone, ningakhe niqiqe;

15Kuba intliziyo yaba bantu ithe fithi kukutyeba, Beva ngeendlebe ezithe nkqi,
Bayawacima namehlo abo; Hleze babone ngamehlo, Beve ngeendlebe, Baqonde
ngentliziyo, Bajike, Ndibaphilise. (UIsaya 6:9,10)

16Kodwa nina, anethamsanqa amehlo enu, ngokuba ebona; neendlebe zenu,
ngokuba zisiva.

17Kuba ndithi kuni, Inene, baninzi abaprofeti nabantu abangamalungisa,
abanqweneláyo ukuzibona izinto enizibonayo àbazibona; nokuziva izinto enizivayo,
àbaziva.

18Nina ngoko wuveni umzekeliso womhlwayeli:

19akubon' ukuba ubani uyaliva ilizwi lobukumkani, engaliqondi, uyafika ongendawo,
akuhluthe okuhlwayelwe entliziyweni yakhe; lo nguye lowo wahlwayelwa
ngasendleleni.

20Lowo ke uhlwayelwa ezindaweni ezilulwalwa, ngulo ulivayo ilizwi, alamkele
kwaoko ngovuyo;

21abe ke engenangcambu ngaphakathi kwakhe, eme umzuzwana kodwa; uthi ke
kwakuhla imbandezelo nokuba yintshutshiso ngenxa yelizwi, akhutyekiswe kwaoko.

22Lowo ke uhlwayelwe emithaneni enameva, ngulo ulivayo ilizwi, lithi ke ixhala leli
phakade, nokulukuhla kobutyebi, kuliminxe ilizwi, lisuke lingabi nasiqhamo.

23Lowo ke uhlwayelwe kuwo umhlaba omhle, ngulo ulivayo ilizwi aliqonde; othi yena
okunene axakathe iziqhamo; omnye ke enze ikhulu, omnye amashumi
amathandathu, nomnye amashumi amathathu.

Umzekeliso womdiza

24Wababekela omnye umzekeliso, esithi, Ubukumkani bamazulu bufanekiswa
nomntu owahlwayela imbewu entle entsimini yakhe.

25Kuthe ke, xa baleleyo abantu, lwafika utshaba lwakhe, lwahlwayela umdiza
phakathi kwengqolowa, lwemka.

26Ithe ke yakudubula, yakuba neenkozo, wandula ukubonakala nomdiza.

27Bezile ke abakhonzi bomninindlu, bathi kuye, Nkosi, ubungahlwayelanga imbewu
entle yini na entsimini yakho? Phofu iwuzuze phi na umdiza?

28Wathi ke kubo, Ngumntu olutshaba owenze le nto. Bathi ke abakhonzi kuye,
Ùyathanda na ke ukuba siye siwubuthe?

29Uthe ke, Hayi; hleze nithi, xa niwubuthayo umdiza, nincothule nengqolowa kunye
nawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Yekani kukhule ndawonye kokubini, kude kube sekuvuneni; ngenxa ke lokuvuna
ndothi kubavuni, Buthani kuqala umdiza, niwubophe ube zizithungu, utshiswe,
kodwa yona ingqolowa yihlanganiseleni kuvimba wam.

Umzekeliso wokhozo lwemostade nowegwele
(UMarko 4:30-34; uLuka 13:18-21)

31Wababekela omnye umzekeliso, esithi, Ubukumkani bamazulu bufana nokhozo
lwemostade, awaluthabathayo umntu, waluhlwayela entsimini yakhe;

32lona loluncinane okunene kuzo zonke iimbewu; kodwa xa luthe lwahluma,
luyayidlula imifuno ngobukhulu, lube ngumthi, ngokokude iintaka zezulu zize zihlale
emasebeni awo.

33Wathetha omnye umzekeliso kubo, esithi, Ubukumkani bamazulu bufana negwele,
awalithabathayo umfazi, walifihla ezilinganisweni zozithathu zomgubo, wada
wabaliswa uphela.

34Ezi ndawo zonke uYesu wazithetha ngemizekeliso kuzo izihlwele; akathethanga
kungengamzekeliso kuzo;

35ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngomprofeti, esithi, Ndiya kuwuvula
ngemizekeliso umlomo wam, Ndiya kukhupha izinto ezazifihliwe kwasekusekweni
kwehlabathi. (INdum. 78:2)

Inkcazo yomzekeliso womdiza

36Waza uYesu akuzindulula izihlwele wangena endlwini. Beza kuye abafundi bakhe,
besithi, Sixelele umzekeliso womdiza wentsimi.

37Waphendula ke wathi kubo, Lo uhlwayela imbewu entle nguNyana woMntu;

38intsimi ke lihlabathi; imbewu ke entle ngoonyana bobukumkani abo; umdiza ke
ngoonyana bongendawo;

39utshaba ke olwawuhlwayelayo wona nguMtyholi; ukuvuna ke kukupheliswa
kwephakade eli; abavuni ke zizithunywa zezulu.

40Njengokuba ngoko ubuthwa umdiza, utshiswe ngomlilo, kuya kuba njalo
ekuphelisweni kweli phakade.

41UNyana woMntu uya kuthuma izithunywa zakhe, zize zibuthe, zikhuphe
ebukumkanini bakhe, zonke izikhubekiso, nabo benza okuchasene nomthetho;

42zibaphose ezikweni lomlilo; khona apho kuya kubakho ukulila nokutshixiza
kwamazinyo.

43Aya kwandula ke amalungisa ukubengezela njengelanga ebukumkanini boYise
wawo. Lowo uneendlebe zokuva makeve.

Umzelekeliso wentsimi enobutyebi, nowomrhwebi owafumana iperile enexabiso, nowomnatha

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

44Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nobutyebi obufihlwe entsimini, athe umntu akubufumana wabufihla; aze ngenxa yovuyo lwakhe aye athengise ngeento zonke anazo, ayithenge loo ntsimi.

45Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nomrhwebi, efuna iiperile ezintle; owathi ke akuyifumana iperile inye,

46exabiso likhulu, wemka waya wananisa ngeento zonke abenazo, wayithenga.

47Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nomnatha, owaphoswa elwandle, wahlanganisa kwiintlobo zonke;

48abathe wakuzala bawurholela elunxwemeni; ke bakuhlala phantsi, bazibuthela ezintle ezityeni, bazilahla ke ezimbi.

49Kuya kuba njalo ekuphelisweni kwephakade eli: ziya kuphuma izithunywa zezulu, zibakhethe abangendawo phakathi kwamalungisa,

50zibaphose ezikweni lomlilo; khona apho kuya kubakho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

51Athi kubo uYesu, Niziqondile na zonke ezi ndawo? Bathi kuye, Ewe, Nkosi.

52Wathi ke kubo, Ngenxa yoko, umbhali wonke ofundiselwe ebukumkanini bamazulu ufana nomntu ongumninindlu, orhola ebuncwaneni bakhe izinto ezintsha kwanezindala.

UYesu uyadelwa eNazarete
(UMarko 6:1-6)

53Kwathi, akuyigqiba uYesu le mizekeliso, wanduluka khona apho.

54Akufika kwelakowabo, wabafundisa endlwini yabo yesikhungu, ngokokude bakhwankqiswe bathi, Lo ubuzuze phi na obu bulumko, nale misebenzi yamandla?

55Lo asinguye na unyana wengcibi yokwakha? Unina akuthiwa na nguMariya? Nabazalwana bakhe asingooYakobi, noYose, noSimon, noYuda, yini na?

56Noodade bakhe àbakuthi apha bonke na? Uzizuze phi na phofu lo zonke ezi zinto?

57Baye bekhubeka kuye. Wathi ke uYesu kubo, Umprofeti akaswele mbeko, kungekhona kowabo, nakokwabo.

58Akenza misebenzi mininzi yamandla khona apho, ngenxa yokungakholwa kwabo.

UMateyu 14

Ukunqunyulwa kwentloko kaYohane umbhaptizi
(UMarko 6:14-29; uLuka 3:19-20; 9:7-9)

1Ngelo xesha uHerode, umphathi wesahlulo sesiné selizwe, waluva udaba lukaYesu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2wathi kubakhonzi bakhe, Lo nguYohane umbhaptizi. Yena uvukile kwabafileyo;
ngenxa yoko le misebenzi yamandla iyasebenza kuye.

3Kuba uHerode wambamba uYohane, wambopha, wamfaka entolongweni ngenxa
kaHerodiya, umfazi kaFilipu, umninawa wakhe.

4Kuba wayethe uYohane kuye, Akuvumelekile ukuba ube naye.

5Wathi efuna ukumbulala, woyika abantu; ngokuba babebambe ukuthi
ungumprofeti.

6Ke kaloku, kwakubon' ukuba kwenziwa isikhumbuzo sokuzalwa kukaHerode, yathi
intombi kaHerodiya yangqungqa esazulwini, yamkholisa uHerode.

7Ekuthe ke koko wayithembisa ngesifungo ukuba woyinika oko ingakucelayo.

8Ke yona, iqhutywe ngunina, yathi, Ndinike apha ngesitya intloko kaYohane
umbhaptizi.

9Wesuka ukumkani waba buhlungu; ke, ngenxa yezifungo ezo nangenxa yabo
babehleli ngasesithebeni naye, watsho ukuthi mayiyinikwe.

10Wasusa umntu, wamnqumla uYohane intloko entolongweni apho.

11Yaziswa intloko yakhe ngesitya, yanikwa intombazana leyo, yathi yona yayisa
kunina.

12Bafika abafundi bakhe, basithabatha isidumbu, basingcwaba; baya babikela uYesu.

Ukutyiswa kwamawaka amahlanu

(UMarko 6:30-44; uLuka 9:10-17; uYoh. 6:1-14)

13Evile ke uYesu, wemka apho ngomkhombe, waya endaweni eyintlango eyedwa.
Zivile ke izihlwele, zamlandela ngeenyawo, zivela emizini.

14Ephumile ke uYesu, wabona into eninzi yabantu, wasikwa yimfesane ngabo,
wayiphilisa imilwelwe yabo.

15Kuthe ke kwakuhlwa, beza kuye abafundi bakhe, besithi, Le ndawo iyintlango,
kanjalo ilixa lise lidlule; zindulule izihlwele, zimke ziye emizaneni, zizithengele ukudla.

16Uthe ke kubo uYesu, Akufuneki ukuba zimke; zipheni nina zitye.

17Bathi ke bona kuye, Asinanto apha, ingezizo izonka ezihlanu neentlanzi ezimbini.

18Wathi ke yena, Ziziseni kum apha.

19Wathi izihlwele mazingqengqe phantsi engceni; wazithabatha izonka zozihlanu
neentlanzi zombini, wathi, ekhangele ezulwini, wasikelela; waqhekeza, wazinika
abafundi izonka ezo; ke abafundi banika izihlwele.

20Badla bonke bahlutha; basusa amaqhekeza aseleyo, zalishumi elinazibini izitya
zizele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ke kaloku abo babesidla babengamadoda akumawaka amahlanu, ngaphandle kwabafazi nabantwana.

UYesu uhamba phezu kolwandle
(UMarko 6:45-56; uYoh. 6:16-21)

22Waza uYesu wabanyanzela kwaoko abafundi bakhe ukuba bangene emkhombeni, bamandulele baye phesheya, lo gama azindululayo izihlwele yena.

23Ezindulule ke izihlwele, wenyuka intaba ngasese, ukuba athandaze. Kwahlwa ke ekhona apho yedwa.

24Ke kaloku umkhombe ubuseluphakathi kolwandle, untsilwa ngamaza; kuba umoya ubuvela ngaphambili.

25Kuthe ke ngowesiné umlindo wobusuku, wesuka waya kubo uYesu, ehamba phezu kolwandle.

26Bathe bakumbona abafundi ehamba phezu kolwandle, bakhathazeka, besithi, Ngumshologu; bakhaliswa kukoyika.

27Wathetha ke kwaoko uYesu kubo, esithi, Yomelelani; ndim, musani ukoyika.

28UPetros wamphendula ke wathi, Nkosi, ukuba nguwe, yitsho ndize kuwe ndihamba phezu kwamanzi.

29Wathi ke yena, Yiza. Ehlile uPetros emkhombeni, wahamba phezu kwamanzi, esiya kuYesu.

30Ke kaloku, ebona umoya unamandla, woyika; waza eqala ukutshona wakhala, esithi, Nkosi, ndisindise.

31Wasolula kwaoko ke isandla uYesu, wambamba, wathi kuye, Ehla wena ulukholo luncinane, uthandabuzelani na?

32Bakungena emkhombeni, wadamba umoya.

33Bazile ke abo basemkhombeni, baqubuda kuye, besithi, Inyaniso, unguNyana kaThixo.

34Bakuwela, bafika emhlabeni waseGenesarete.

35Emazile amadoda aloo ndawo, athumela kuwo wonke loo mmandla.

36Bazisa kuye bonke abafayo, bambongoza ukuba bachukumise nje kodwa intshinga yengubo yakhe; baza bonke abayichukumisáyo baphiliswa kanye.

UMateyu 15

Isithethe samanyange
(UMarko 7:1-23)

1Bafike oko kuYesu abaseYerusalem ababhali nabaFarisi, besithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Kungani na ukuba abafundi bakho basigqithe isithethe samanyange? Kuba abazihlambi izandla zabo, xa badla isonka.

3Waphendula ke yena wathi kubo, Nani, kungani na ukuba niwugqithe umthetho kaThixo ngenxa yesithethe senu?

4Kuba uThixo wawisa umthetho, esithi, Mbeke uyihlo nonyoko; wathi kanjalo, Omthethela okubi uyise nokuba ingunina, makafe ukufa.

5Ke nina nithi, Othe kuyise nokuba kukunina, Iselingumnikelo kuThixo, into onge uba uncedwa ngayo ndim, úkholisile: akasayi kuba sambeka uyise nokuba ngunina.

6Niwuphangile ke igunya umthetho kaThixo ngenxa yesithethe senu.

7Bahanahanisindini, watyapha ukuprofeta ngani uIsaya, esithi,

8Aba bantu basondela kum ngomlomo wabo, Bandibeke ngemilebe yomlomo wabo; Kanti intliziyo yabo ikude lee kum;

9Bafumana ke bendihlonela, Befundisa iimfundiso eziyimithetho yabantu. (UIsaya 29:13)

10Wayibizela kuye indimbane, wathi kubo, Phulaphulani, niqonde.

11Asikokungena emlonyeni okumenza inqambi umntu; ke okuphuma emlonyeni, kuko oko okumenza inqambi umntu.

12Beza abafundi bakhe bathi kuye, Uyazi na ukuba abaFarisi bathe bakuliva elo zwi bakhubeka?

13Waphendula ke wathi, Zonke izityalo ezingatyalwanga nguBawo wasemazulwini ziya kuncothulwa.

14Bayekeni; ngabakhokeli beemfama abakwaziimfama; ke kaloku, xa sukuba imfama ikhokela imfama, zombini ziya kweyela emhadini.

15Waphendula ke uPetros wathi kuye, Sixelele lo mzekeliso.

16Wathi ke yena uYesu, Anikabi nakuqonda na nani nangoku?

17Anikaqiqi na, ukuba konke okungena emlonyeni kusinga esiswini, ize kulahlelwe endaweni esese?

18Ke zona izinto eziphuma emlonyeni, ziphuma kuyo intliziyo; zizo ezo ezimenza inqambi umntu.

19Kuba kuyo intliziyo kuphuma izicamango ezingendawo, ookubulala, ookukrexeza, oomibulo, oobusela, ookungqina ubuxoki, ookunyelisa.

20Zizo ezo izinto ezimenza inqambi umntu; kodwa kona ukudla ngezandla ezingahlanjwanga akumenzi nqambi umntu.

UmKananekazi

© 1975 Bible Society of South Africa.

(UMarko 7:24-30)

21Ephumile khona apho, uYesu wasinga kwimida yaseTire neTsidon.

22Kwathi thu umKananekazi evela kuloo mida, ekhala esithi, Ndénzele inceba, Nkosi, nyana kaDavide; intombi yam iphethwe yidemon kakubi.

23Akamphendula ke nelizwi eli. Beza abafundi bakhe, bamcela besithi, Mndulule, ngokuba usilandela ekhala.

24Waphendula ke yena wathi, Ndithunywe kwizimvu ezilahlekileyo zendlu kaSirayeli zodwa.

25Weza ke waqubuda kuye, esithi, Nkosi, ndisize.

26Uphendule ke wathi, Asinto intle ukusithabatha isonka sabantwana, siphoswe ezinjaneni.

27Wathi ke yena, Ewe, Nkosi; kuba neenjana zidla kwiimvuthuluka eziwa etafileni yabaninizo.

28Waza ke waphendula uYesu wathi kuye, Mfazi, lukhulu ukholo lwakho; makwenzeke kuwe njengokuthanda kwakho. Yaphiliswa intombi yakhe kwangelo lixa.

Ukutyiswa kwamawaka amané

(UMarko 8:1-10)

29Esukile apho, uYesu weza ngaselwandle lwaseGalili, wenyuka intaba, wahlala phantsi khona.

30Kweza kuye izihlwele ezininzi, zinazo iziqhwala, iimfama, izidenge, izilima, nabanye abaninzi, zababeka phantsi ezinyaweni zikaYesu; wabaphilisa;

31zada zamangaliswa izihlwele ezo, zakubona izidenge zithetha, izilima ziphilile, iziqhwala zihamba, neemfama zibona; zamzukisa uThixo kaSirayeli.

32Ebabizele ke kuye uYesu abafundi bakhe, wathi, Ndisikwa yimfesane ngenxa yezihlwele, ngokuba sekuntsuku ntathu behleli nam, bengenanto bangayidlayo; ukuthi ke ndibandulule bengadlanga andikuthandi, hleze batyhafe endleleni.

33Bathi kuye abafundi bakhe, Sozizuza phi na entlango apha izonka ezingade zihluthise izihlwele ezingakanana?

34Athi kubo uYesu, Zingaphi na izonka eninazo? Bathi ke bona, Zisixhenxe, neentlanzana ezimbalwa.

35Wathi kwizihlwele mazihlale phantsi emhlabeni.

36Wazithabatha ke izonka zosixhenxe neentlanzi, wabulela, waqhekeza, wanika abafundi bakhe, abafundi ke banika izihlwele.

37Badla bonke bahlutha; basusa amaqhekeza aseleyo, iingobozi zasixhenxe zizele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

38Ke kaloku abo babesidla babengamawaka amané amadoda, ngaphandle kwabafazi nabantwana.

39Ezindulule izihlwele, wangena emkhombeni, weza emacaleni aseMagadala.

UMateyu 16

Igwele labaFarisi
(UMarko 8:11-21)

1Baza bafika abaFarisi nabaSadusi, bathi, bemlinga, bacela ukuba ababonise umqondiso ophuma emazulwini.

2Waphendula ke wathi kubo, Ngokuhlwa nithi, Liya kusa; kuba izulu limlilo ukuba bomvu.

3Kanjalo kusasa nithi, Namhla luqhwithela; kuba izulu limlilo ukuba bomvu, lisibekele. Bahanahanisindini, nikwazi nje ukubucalula ubuso bezulu, ke yona imiqondiso yamaxesha aninako na ukuyicalula?

4Isizukulwana esingendawo, esikrexezayo, singxamele umqondiso; kanti asiyi kunikwa mqondiso, ingenguwo umqondiso kaYona umprofeti. Wabashiya wemka.

5Bakufika ke abafundi bakhe ngaphesheya, bathi kanti bakulibele ukuphatha izonka.

6Wathi ke uYesu kubo, Ligqaleni nililumkele igwele labaFarisi nabaSadusi.

7Baye ke bona becamanga phakathi kwabo, besithi, Útsho ngokuba singaphathanga zonka.

8Ekwazi ke oko uYesu, wathi kubo, Ehlani, nina balukholo luncinane! Yini na ukuba nicamange phakathi kwenu, ngokuba ningaphathanga zonka?

9Anikaqiqi na, anizikhumbuli na izonka ezihlanu zamawaka amahlanu, nokuba zazingaphi na izitya enazithabathayo?

10Kwanezonka ezisixhenxe zamawaka amané, nokuba zazingaphi na iingobozi enazithabathayo?

11Yini na le nto ningaqiqiyo, ukuba bendingàtsho ngasonka, ukuthi kuni, manililumkele igwele labaFarisi nabaSadusi?

12Bandula ukuqonda, ukuba ubengàtsho ukuthi mabalumkele igwele lesonka; ubesithi mabalumkele imfundiso yabaFarisi nabaSadusi.

UPetros uvuma ukuba uYesu unguKristu
(UMarko 8:27-30; uLuka 9:18-20; uYoh. 6:66-69)

13Akufika uYesu emacaleni aseKesareya yakwaFilipu, wababuza abafundi bakhe, esithi, Bathi abantu ndingubani na mna, Nyana woMntu?

14Bathi ke bona, Inxenye ithi, ùnguYohane umbhaptizi; abanye bathi, ùnguEliya; bambi bathi, ùnguYeremiya, mhlawumbi ungomnye wakubaprofeti.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Athi kubo, Ke nina nithi ndingubani na?

16Waphendula ke uSimon Petros wathi, Wena unguye uKristu, unyana kaThixo ophilileyo.

17Waphendula uYesu wathi kuye, Ùnoyolo, Simon kaYona, ngokuba akukutyhilelwanga oku yinyama negazi, ukutyhilelwe nguBawo osemazulwini.

18Nam ke, ndithi kuwe, UnguPetros wena; ndiya kulakhela phezu kolu lwalwa ibandla lam, namasango elabafileyo akayi kuloyisa.

19Ndiya kukunika izitshixo zobukumkani bamazulu; kuthi ke othe wakubopha emhlabeni, kubopheke emazulwini; kuthi othe wakukhulula emhlabeni, kukhululeke emazulwini.

20Wabayala abafundi bakhe, ukuba bangaxeleli bani ukuba yena unguYesu uKristu.

UYesu uxela kwangaphambili ukufa nokuvuka kwakhe

(UMarko 8:31-33; uLuka 9:21-22)

21Waqalela kwelo xa uYesu ukubabonisa abafundi bakhe, okokuba umelwe kukuba aye eYerusalem, eve ubunzima obukhulu kuwo amadoda amakhulu nababingeleli abakhulu, nababhali, abulawe, athi ngomhla wesithathu avuke.

22Wathi uPetros emthabathele kuye, waqala ukumkhalimela, esithi, Makube camagu kuwe, Nkosi; oko akuyi kukha kubekho kuwe.

23Wajika ke wathi kuPetros, Suka uye emva kwam, Sathana, usisikhubekiso kum; ngokuba ungazinyamekeli ezikaThixo izinto, unyamekela ezabantu.

Ukuzincama

(UMarko 8:34; 9:1; uLuka 9:23-27)

24Wandula wathi uYesu kubafundi bakhe, Ukuba kukho othanda ukundilandela, makazincame ngokwakhe, awuthwale umnqamlezo wakhe, andilandele.

25Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe, wolahlekelwa nguwo; ke othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam, wowufumana.

26Kuba, kumnceda ntoni na umntu, ukuba uthe wazuza ihlabathi liphela, waza wonakalelwa ke ngumphefumlo wakhe? Okanye worhola ntoni na umntu, ibe sisananelo somphefumlo wakhe?

27Kuba uNyana woMntu uza kuza esebuqaqawulini boYise, enezithunywa zakhe, andule ukubavuza bonke ngabanye ngokokwenza kwabo.

28Inene, ndithi kuni, Kwabemiyo apha kukho abangayi kukha beve kufa, bade bambone uNyana woMntu esiza, esebukumkanini bakhe.

UMateyu 17

Ukwenziwa kumila kumbi kukaYesu

(UMarko 9:2-13; uLuka 9:28-36)

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Uthi uYesu emveni kweentsuku ezintandathu, athabathe uPetros, noYakobi, noYohane umzalwana wakhe, abanyuse baye entabeni ephakamileyo bebodwa.

2Wenziwa waba kumila kumbi phambi kwabo, bathi ubuso bakhe bakhazimla njengelanga, zasuka ke iingubo zakhe zamhlophe njengokukhanya.

3Nanko kubonakala kubo uMoses noEliya, bethetha naye.

4Waphendula ke uPetros, wathi kuYesu, Nkosi, kulungile ukuba sibe lapha; ukuba uyathanda, masenze apha iminquba ibe mithathu, omnye ube ngowakho, omnye ube ngokaMoses, omnye ube ngokaEliya.

5Kuthe esathetha, kwathi gqi ilifu elikhanyayo, labenzela ithinzi; nâlo izwi liphuma efini apho, lisithi, Lo nguNyana wam oyintánda, endikholisiweyo nguye; mveni yena.

6Bathi abafundi, bakukuva oko, bawa ngobuso babo, boyika kakhulu.

7Akufika uYesu wabachukumisa, wathi, Vukani ningoyiki.

8Bathe ke bakuphakamisa amehlo abo, àbabona mntu, yanguYesu yedwa.

9Bakubon' ukuba bayehla entabeni apho, wabawisela umthetho uYesu esithi, Ize ningawuxeleli bani umbono lo, ade avuke kwabafileyo uNyana woMntu.

10Bambuza abafundi bakhe, besithi, Yini na phofu ukuba ababhali bathi, uEliya umelwe kukufika tanci?

11Uphendule ke uYesu, wathi kubo, Okunene kufika uEliya tanci, abuye azimise zonke izinto.

12Ke ndithi kuni, uEliya uselefikile. Abamazanga, basuka benza kuye konke abakuthandayo; kwangokunjalo uNyana woMntu uza kuva ubunzima ngabo.

13Bandula ukuqonda abafundi ukuba ubethetha kubo ngaye uYohane umbhaptizi.

Ukuphiliswa konesathuthwane

(UMarko 9:14-29; uLuka 9:37-43)

14Bakubon' ukuba bafikile esihlweleni, kweza kuye umntu, esiwa ngamadolo phambi kwakhe,

15esithi, Nkosi, menzele inceba unyana wam; ngokuba unesathuthwane, esiva ubunzima obukhulu; kuba esiwa futhi emlilweni, nasemanzini futhi.

16Ndithe ndamzisa kubafundi bakho, àbaba nako ukumphilisa.

17Waphendula ke uYesu wathi, Sizukulwanandini singakholwayo, sigwenxa, koda kube nini na ndinani? Koda kube nini na ndininyamezele? Mziseni kum apha.

18Waza uYesu wayikhalimela, yaphuma kuye idemon; waphiliswa umntwana kwangelo lixa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Bandula beza abafundi kuYesu bebodwa, bathi, Bekungani na ukuba singabi nako
ukuyikhupha thina?

20Wathi ke uYesu kubo, Bekungenxa yokungakholwa kwenu; kuba inene ndithi kuni,
Beningáthi, ninokholo olunjengokhozo lwemostade, nithi kule ntaba, Suka apha uye
phaya, isuke, kungabikho nto iya kuninqabela.

21Olu ke lona uhlobo aluphumi, kungengako ukuthandaza nokuzila ukudla.

UYesu okwesibini uxela kwangaphambili ukufa kwakhe

(UMarko 9:30-32; uLuka 9:43b-45)

22Ke kaloku, bakubon' ukuba bahleli kwelaseGalili, wathi uYesu kubo, UNyana
woMntu uza kunikelwa ezandleni zabantu;

23baya kumbulala, athi ngomhla wesithathu avuke. Baba buhlungu kakhulu.

UYesu ukhupha irhafu yetempile

24Ke, bakubon' ukuba bafikile eKapernahum, kweza kuPetros abo bamkela imali
yetempile, bathi, Umfundisi wenu akayirholi na imali yetempile?

25Athi, Ewe, uyayirhola. Akungena endlwini, uYesu wamphangela, esithi, Ùthini na
wena, Simon? OoKumkani behlabathi bamkela kubaphi na irhafu nomnikelo?
koonyana babo, kwabasemzini, kusini na?

26Athi uPetros kuye, Kwabasemzini. Wathi uYesu kuye, Bakhululekile ngoko ke bona
oonyana.

27Kodwa ukuze singabakhubekisi, hamba uye elwandle, uphose umlobothi wakho,
uthabathe loo ntlanzi ithe yavela tanci. Wòthi wakuwunqika umlomo wayo, ufumane
ishekele; thabatha yona leyo ubanike, usenzelelela mna nawe.

UMateyu 18

Ubukhulu benene ebukumkanini bamazulu. Izikhubekiso. Abancinane

(UMarko 9:33-37; uLuka 9:46-48)

1Ngelo lixa beza abafundi kuYesu, besithi, Ngubani na ke omkhulu kunabanye,
ebukumkanini bamazulu?

2UYesu wabizela kuye umntwana, wammisa phakathi kwabo.

3Wathi, Inene, ndithi kuni, Ukuba anithanga niguquke, nibe njengabantwana aba,
aniyi kukha ningene ebukumkanini bamazulu.

4Osukuba ngoko ethe wazithoba njengaló mntwana nguye omkhulu kunabanye
ebukumkanini bamazulu.

5Kanjalo othe wamkela umntwana onje, noko amnye, egameni lam, wamkela mna.

6Ke othe wakhubekisa noko amnye waba bancinane bakholwayo kum, ebelungelwe
kanye kukuba anxitywe ilitye lokusila entanyeni, antywiliselwe enzulwini yolwandle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Yeha ihlabathi ngezikhubekiso! kuba azinakuba zingezi izikhubekiso; kodwa yeha loo mntu siza ngaye isikhubekiso!

8Ukuba ke isandla sakho, nokuba lunyawo lwakho, luya kukhubekisa, lunqamle, ululahle: kukulungele ukuba ungene ebomini usisiqhwala, mhlawumbi usisilima, kunokuba uthi, unezandla ezibini, mhlawumbi uneenyawo ezimbini, uphoswe emlilweni ongunaphakade.

9Nokuba iliso lakho liya kukhubekisa, lincothule, ulilahle; kukulungele ukuba ungene ebomini unaliso linye, kunokuba uthi, unamehlo amabini, uphoswe esihogweni somlilo.

10Lumkani, ningadeli namnye waba bancinane; kuba ndithi kuni, Izithunywa zabo emazulwini zihlala zibubona ubuso bukaBawo osemazulwini.

11Kuba uNyana woMntu weza kusindisa oko kulahlekileyo.

Igusha elahlekileyo

12Nithini na nina? Ukuba umntu uthe wanekhulu lezimvu, ize kulahleke enye kuzo, akazishiyi na ezimashumi asithoba anesithoba ezintabeni, aye afune leyo ilahlekileyo?

13Ukuba uthe wayifumana, inene ndithi kuni, uyayivuyela leyo ngaphezu kokuvuyela ezo zimashumi asithoba anesithoba, zingalahlekanga.

14Kwangokunjalo asikukuthanda kukaYihlo osemazulwini, ukuba kulahleke namnye waba bancinane.

Uxolelo; umzekeliso womkhonzi ongenambulelo

15Ukuba ke umzalwana wakho uthe wakona, yiya umohlwaye inguwe naye ninedwa; ukuba úthe wakúva, wòba umzuzile umzalwana wakho.

16Ke ukuba úthe akeva buya uthabathe nawe abe mnye nokuba babini, ukuze onke amazwi amiswe ngomlomo wamangqina amabini, nokuba ngamathathu.

17Ukuba ke úthe akabeva, xelela ibandla; ukuba ke úthe akaliva nebandla, kuwe makabe njengoweentlanga nombuthi werhafu.

18Inene, ndithi kuni, Konke enithe nakubopha emhlabeni, kobotshwa emazulwini; nako konke enithe nakukhulula emhlabeni, kokhululwa emazulwini.

19Kanjalo ndithi kuni, Ukuba ababini kuni bathe bavumelana emhlabeni apha ngeendawo zonke abangazicelayo, bozenzelwa nguBawo osemazulwini.

20Kuba apho bahlanganisene khona egameni lam, nokuba babini nokuba bathathu, ndikho mna apho phakathi kwabo.

21Kwandula kweza uPetros kuye wathi, Nkosi, koba futhi kangaphi na umzalwana wam endona, ndimxolela? Koda kube kasixhenxe na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Athi uYesu kuye, Andithi kuwe, koda kube kasixhenxe; ndithi, koda kube kamashumi asixhenxe aphindiweyo kasixhenxe.

23Ngenxa yoko ubukumkani bamazulu bufanekiswa nomntu ongukumkani, owafuna ukubalelana nabakhonzi bakhe.

24Kuthe ke akuqala ukubalelana nabo, kwaziswa kuye omnye onetyala leetalente ezingamawaka alishumi.

25Kuthe ke ekubeni engenanto yakuhlawula, yathi inkosi yakhe, makuthengiswe ngaye, nangomfazi wakhe, nangabantwana bakhe, nangeento zonke anazo, kuhlawulwe.

26Wawa phantsi ngoko umkhonzi lowo, waqubuda kuyo, esithi, Nkosi, khawundenze kuhle, ndokuhlawula lonke.

27Yasikwa ke yimfesane inkosi yaloo mkhonzi, yamkhulula, yamxolela ityala elo.

28Uphumile ke loo mkhonzi, wafumanana nomnye wabakhonza kunye naye obenetyala kuye leendenariyo ezilikhulu; wambamba, wamkrwitsha, esithi, Ndíhlawule ityala onalo.

29Wawa phantsi ngoko ezinyaweni zakhe lo ubekhonza kunye naye, wamana embongoza, esithi, Khawundenze kuhle, ndokuhlawula lonke.

30Akavumanga ke; waya wamphosa entolongweni, ade alihlawule ityala elo.

31Bathi ke abo babekhonza kunye naye, bakubona oko kwenzekileyo, baba buhlungu kakhulu, beza bayityela inkosi yabo konke oko kwenzekileyo.

32Yaza inkosi yakhe, imbizele kuyo, yathi kuye, Mkhonzindini ungendawo, ndàkuxolela lonke elaa tyala, ekubeni wandibongozayo;

33ubungamelwe na kukuba ube nenceba nawe kokhonza kunye nawe, njengokuba nam bendinenceba kuwe?

34Yaqumba inkosi yakhe, yamnikela kubathuthumbisi, ade alihlawule lonke ityala lakhe kuyo.

35Wothi noBawo wasemazulwini enjenjalo kuni, ukuba anithanga nonke ngabanye nabaxolela abazalwana benu iziphoso zabo ngeentliziyo zenu.

UMateyu 19

Umbuzo malunga nokuqhawulwa komtshato

(UMarko 10:1-12)

1Kwathi, xeshikweni uYesu ebewagqibile la mazwi, wanduluka kwelaseGalili, weza emideni yelakwaYuda, phesheya kweYordan.

2Zamlandela izihlwele ezininzi, waziphilisa apho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kweza kuye abaFarisi bemlinga, besithi kuye, Kuvumelekile na ukuba umntu amale
umfazi wakhe nangasiphi na isizathu?

4Uphendule ke wathi kubo, Anilesanga na ukuba owadalayo kwasekuqalekeni
wabadala bayindoda nenkazana, wathi,

5Ngenxa yoko umntu womshiya uyise nonina, anamathele emfazini wakhe, baze abo
babini babe nyama-nye?

6Ngako oko abasebabini, banyama-nye; oko ke ngoko uThixo akumanyileyo,
makungahlulwa mntu.

7Bathi kuye, Phofu ibiyini na ukuba uMoses awise umthetho wokuthi, makamnike
incwadi yokwahlukana, amale?

8Athi kubo, UMoses ngenxa yobulukhuni beentliziyo zenu wanivumela ukuba nibale
abafazi benu; ke ekuqalekeni bekungenjalo.

9Ndithi ke kuni, Othe wamala umfazi wakhe, kungengaluhenyuzo, wazeka omnye,
uyakrexeza; nalowo uzeka owaliweyo uyakrexeza.

10Bathi kuye abafundi bakhe, Ukuba unjalo umcimbi womntu nomfazi, akulungile
ukuzeka.

11Wathi ke yena kubo, Asibantu bonke abaliqondayo elo lizwi; ngabo
banikiweyo bodwa.

12Kuba kukho amathenwa azelwe enjalo kwasesizalweni sonina; kukho namathenwa
athenwa ngabantu; kukho namathenwa azithenileyo ngenxa yobukumkani
bamazulu. Lowo unokukuqonda oku makakuqonde.

UYesu usikelela abantwana

(UMarko 10:13-16; uLuka 18:15-17)

13Kwaza kwaziswa kuye abantwana, ukuze abeke izandla phezu kwabo, athandaze;
basuka abafundi babakhalimela.

14Wathi ke uYesu, Bayekeni abantwana, ningabaleli ukuza kum; kuba ubukumkani
bamazulu bobabo banjalo.

15Wazibeka izandla phezu kwabo, wemka apho.

Indodana esisityebi

(UMarko 10:17-31; uLuka 18:18-30)

16Kwabonakala kusiza othile, wathi kuye, Mfundisi ulungileyo, yiyiphi na into
elungileyo endingenza yona, ukuze ndibe nabo ubomi obungunaphakade?

17Uthe ke kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? Akukho ulungileyo, mnye kwaphela,
nguThixo. Ukuba ke uthanda ukungena ebomini, yigcine imithetho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Athi kuye, Yiphi na? Wathi ke uYesu, Yona le: uze ungabulali, uze ungakrexezi, uze ungebi, uze ungangqini buxoki,

19beka uyihlo nonyoko; nawo lo: uze umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako.

20Ithi kuye indodana leyo, Zonke ezo zinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam; ndisaswele ntoni na?

21Wathi uYesu kuyo, Ukuba unga ungafezeka, hamba uye kuthengisa ngeempahla zakho, uphe amahlwempu; wòba nobutyebi emazulwini; uze ke undilandele.

22Ilivile ke indodana ilizwi elo, yemka ibuhlungu; kuba ibinemfuyo eninzi.

23Wathi ke uYesu kubafundi bakhe, Inene, ndithi kuni, Koba ngenkankulu ukuba isityebi singene ebukumkanini bamazulu.

24Kananjalo ke ndithi kuni, Kulula ukuba inkamela iphumele entunjeni yenaliti, kunokuba isityebi singene ebukumkanini bukaThixo.

25Bakuva ke abafundi bakhe, bakhwankqiswa kakhulu, besithi, Ngubani na ke ongásindiswayo?

26Ondele ke uYesu, wathi kubo, Kubantu le nto ayinakwenzeka; ke kuye uThixo zonke izinto zinako ukwenzeka.

27Waphendula uPetros wathi kuye, Uyabona, thina sishiye iinto zonke sakulandela; siya kuba nantoni na ke?

28Wathi ke uYesu kubo, Inene, ndithi kuni, Nina nindilandeleyo, ekuzalweni okutsha, xa athe wahlala uNyana woMntu phezu kwetrone yozuko lwakhe, niya kuhlala nani phezu kweetrone ezilishumi elinambini, nigweba ezizweni ezilishumi elinazibini zakwaSirayeli.

29Umntu wonke oshiye izindlu, nokuba ngabazalwana, nokuba ngoodade, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantwana, nokuba ngamasimi, ngenxa yegama lam, uya kwamkela kalikhulu, abudle ilifa ubomi obungunaphakade.

30Ke baninzi abokuqala abaya kuba ngabokugqibela, nabokugqibela abaya kubangabokuqala.

UMateyu 20

Umzekeliso wabaqeshwa esidiliyeni

1Kuba ubukumkani bamazulu bufana nomntu ongumninindlu, owaphuma ekuseni, waya kuqesha abasebenzi bokuya esidiliyeni sakhe.

2Akuvumelana nabasebenzi ngedenariyo ngemini, wabathuma esidiliyeni sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ephume malunga nelixa lesithathu wabona abanye bemi endaweni yembutho bengasebenzi.

4Wathi nakwabo, Hambani nani niye esidiliyeni, ndoninika okusukuba kufanelekile. Bahamba ke baya.

5Wabuya waphuma malunga nelixa lesithandathu nelesithoba, wenza kwangokunjalo.

6Ephumile ke malunga nelixa leshumi elinanye, wafumana abanye bemi bengasebenzi; athi kubo, Yini na ukuba nime apha imini iphela ningasebenzi?

7Bathi kuye, Akukho bani usiqeshileyo. Athi kubo, Hambani nani niye esidiliyeni; niya kwamkela okusukuba kufanelekile.

8Kwakuhlwa, uthi umninisidiliya egoseni lakhe, Babize abasebenzi, ubamkelise, uqala kwabokugqibela ude uye kwabokuqala.

9Bezile abo bebeqeshwe malunga nelixa leshumi elinanye, bamkela elowo idenariyo.

10Ke kaloku bakuza abokuqala, baba baya kwamkela into engaphezulu; nabo bamkela elowo idenariyo.

11Beyamkele ke, bamrokrela umninindlu,

12besithi, Aba bokugqibela basebenzé ilixa lalinye, usuke wabalinganisa nathi, thina sithwele ubunzima nobushushu bemini.

13Waphendula ke yena wathi komnye wabo, Wethu, andikoni; ubungavumelananga nam ngedenariyo yini na?

14Thabatha okwakho uhambe; ndithanda ukumnika lowo wokugqibela kwanjengoko ndikunike ngako.

15Akuvumelekile na ukuba ndenze endikuthandayo ngokukokwam? Iliso lakho likhohlakele na, ngokuba ndílungile mna?

16Ngokunjalo abokugqibela baya kuba ngabokuqala, nabokuqala, baya kuba ngabokugqibela; kuba baninzi ababiziweyo, ke bambalwa abanyuliweyo.

UYesu okwesithathu uxela kwangaphambili ukufa kwakhe

(UMarko 10:32-34; uLuka 18:31-34)

17Ke kaloku enyuka uYesu esiya eYerusalem, wabathabatha abafundi abalishumi elinababini babodwa endleleni, wathi kubo,

18Niyabona, siyenyuka siya eYerusalem, waye uNyana woMntu eya kunikelwa kubo ababingeleli abakhulu nababhali.

19Baya kumgweba ukuba afe, bamnikele kuzo iintlanga ukuba zidlale ngaye, zimtyakatye, zimbethelele emnqamlezweni, athi ngomhla wesithathu abuye avuke.

Isicelo soonyana bakaZebhedi

© 1975 Bible Society of South Africa.

(UMarko 10:35-45)

20Ngelo xesha kweza kuye unina woonyana bakaZebhedi, enoonyana bakhe,
equbuda, ecela into kuye.

21Wathi ke yena kuye, Uthanda ntoni na? Athi kuye, Yitsho baze aba nyana bam
bobabini bahlale, omnye ngasekunene kwakho, omnye ngasekhohlo, ebukumkanini
bakho.

22Uphendule ke uYesu wathi, Aniyazi into eniyicelayo. Ninako na ukuyisela indebe
endiza kuyisela mna, nibhaptizwe ngobhaptizo endibhaptizwa ngalo mna? Bathi
kuye, Sinako.

23Athi kubo. Okunene indebe yam niya kuyisela, nobhaptizo endibhaptizwa ngalo
mna niya kubhaptizwa kwangalo; kodwa kona ukuhlala ngasekunene kum,
nangasekhohlo kum, asikwam ukupha ngako; kophiwa abo kulungiselwe bona
nguBawo.

24Bekuvile ke oko abalishumi, babacaphukela abo bazalwana bobabini.

25Ke kaloku uYesu, ebabizele kuye, wathi, Niyazi ukuba abaphathi beentlanga
bayazigagamela, nâbò bazizikhulu benza ngegunya kuzo.

26Ze kungabi njalo ke phakathi kwenu nina; osukuba enga angaba mkhulu phakathi
kwenu, makabe ngumlungiseleli wenu;

27nosukuba enga angaba ngowokuqala phakathi kwenu, makabe ngumkhonzi wenu;

28kwanjengokuba uNyana woMntu engezanga kulungiselelwa; weza kulungiselela,
nokuncama ubomi bakhe, bube yintlawulelo yokukhulula abaninzi.

Iimfama ezimbini zaseYeriko

(UMarko 10:46-52; uLuka 18:35-43)

29Bakubon' ukuba bayaphuma eYeriko, walandelwa yindimbane enkulu.

30Nanko kuhleli iimfama zímbini ngasendleleni; zathi, zakuva ukuba kudlula uYesu,
zadanduluka, zisithi, Senzele inceba, Nkosi, nyana kaDavide.

31Ke kaloku indimbane yazikhalimela ukuba zithi tu; kwaba kukhona ke
zidandulukayo, zisithi, Senzele inceba, Nkosi, nyana kaDavide.

32Wema uYesu, wazibiza wathi, Ninga ndinganenzela ntoni na?

33Zithi kuye, Nkosi, ukuba kuvulwe amehlo ethu.

34Wasikwa ke yimfesane uYesu, wawachukumisa amehlo azo; zaba nokubona
kwaoko ngamehlo azo, zamlandela.

UMateyu 21

Ukungena kukaYesu eYerusalem

(UMarko 11:1-10; uLuka 19:29-38; uYoh. 12:12-15)

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kuthe, xa babesondele eYerusalem, befikile eBhetefage, kwiNtaba yemiNquma,
uYesu wesusa abafundi bababini, esithi kubo,

2Yiyani emzaneni lo ukhangelene nani; kwaoko nofumana iesile libotshelelwe
linethole, likhululeni nilizise kum.

3Nokuba kukho othe wathetha into kuni, nòthi, Ayafuneka eNkosini; wóthi ke
awathumele kwaoko.

4Ke kaloku oku konke kwenzeke, ukuze kuzaliseke okwathethwayo ngomprofeti,
esithi,

5Yithini kwintombi uZiyon, Yabona, uKumkani wakho uza kuwe, Enobulali, ekhwele e-
esileni, ilithole ke, Inkonyana yento ebotshwayo. (UZek. 9:9)

6Baya ke abafundi, benza ngoko wayebamisele ngako uYesu,

7balizisa iesile nethole, babeka iingubo zabo phezu kwawo, bamhlalisa phezu kwazo.

8Yathi ke inkoliso yezihlwele yazandlala iingubo zayo endleleni; baye abanye
bexhuzula amasebe emithini, bewandlala endleleni.

9Zaye ke izihlwele, ebezihamba ngaphambili nebezilandela, zidanduluka, zisithi,
Hosana kuye unyana kaDavide! Makabongwe lo uzayo egameni leNkosi! Hosana
enyangweni!

10Akungena eYerusalem, wonke umzi wazamazama, usithi, Ngubani na lo?

11Bathi ke abantu, Lo nguYesu, umprofeti ongowaseNazarete yelaseGalili.

Ukuhlanjululwa kwetempile

(UMarko 11:15-18; uLuka 19:45-48; uYoh. 2:13-17)

12Wangena uYesu etempileni kaThixo, wabakhupha bonke ababethengisa
nababethenga etempileni, wazibhukuqa iitafile zabananisi bemali, nezihlalo
zabathengisa ngamahobe;

13athi kubo, Kubhaliwe kwathiwa, Indlu yam iya kubizwa ngokuba yindlu
yokuthandaza; ke nina niyenze umqolomba wezihange.

14Kweza kuye iimfama neziqhwala, etempileni apho, waziphilisa.

15Bathe ke ababingeleli abakhulu nababhali, bakuyibona imimangaliso awayenzayo,
kwanabantwana bedanduluka etempileni, besithi, Hosana kuye unyana kaDavide:

16basuka bacaphuka, bathi kuye, Uyayiva na into abayithethayo aba? Athi ke uYesu
kubo, Ewe; anizanga nikulese na ukuthi, Emlonyeni weentsana nabanyáyo
ùlungiselele udumiso?

17Wabashiya, waphumela ngaphandle komzi, waya eBhetani, walala khona.

Umkhiwane ongenaziqhamo

(UMarko 11:12-14,19-24)

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Uthe ke kwakusa, xa abuyela kuwo umzi, walamba.

19Wathi, ebone mkhiwane uthile ngasendleleni, waya kuwo, akafumana nto kuwo, yangamagqabi odwa; athi kuwo, Makungaze kuvele siqhamo kuwe naphakade. Wasuka woma kwaoko umkhiwane lowo.

20Bakukubona oko abafundi, bamangaliswa, besithi, Ùtheni na ukoma msinya kangakanana umkhiwane?

21Waphendula ke uYesu wathi kubo, Inene, ndithi kuni, ukuba nithe nanokholo, anathandabuza, anisayi kwenza le nto yomkhiwane yodwa; kosuka, nokuba nithe kule ntaba, Thabatheka uphoseke elwandle, kwenzeke.

22Neento zonke enithe nazicela ekuthandazeni nikholwa, nozamkela.

Igunya likaYesu

(UMarko 11:27-33; uLuka 20:1-8)

23Kuthe akungena etempileni, xa afundisayo, beza kuye ababingeleli abakhulu namadoda amakhulu abantu, besithi, Ezi zinto ùzenza ngagunya lini na? Kananjalo ngubani na okunike eli gunya?

24Waphendula ke uYesu wathi kubo, Nam ndiya kubuza kuni zwi-nye; endothi, ukuba nithe nandixelela lona, ndinixelele nam ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto:

25Ubhaptizo lukaYohane lwaluphuma phi na, emazulwini, ebantwini, sini na? Bacamanga ke bodwa, besithi, Ukuba sithe, Lwaphuma emazulwini, wothi kuthi, Ibiyini na phofu ukuba ningakholwa nguye?

26Ukuba ke sithe, Lwaphuma ebantwini, soyika abantu; kuba bonke bebambe ukuthi uYohane ungumprofeti.

27Bamphendula uYesu bathi, Asazi. Wathi naye kubo, Nam ke andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.

Umzekeliso woonyana ababini

28Nithini na ke nina? Umntu wayenabantwana ababini; weza kowokuqala wathi, Mntwana wam, yiya kusebenza namhla esidiliyeni sam.

29Waphendula ke yena wathi, Andiyi; ke wabuya wazohlwaya, waya.

30Weza nakowesibini, wathetha kwangokunjalo. Waphendula ke yena wathi, Ndiyaya, nkosi; akaya.

31Nguwuphi na kwabo bababini owenza ukuthanda kukayise? Bathi kuye, Ngowokuqala. Athi kubo uYesu, Inene ndithi kuni, Bayaniphangela ke ukungena ebukumkanini bukaThixo ababuthi berhafu namahenyukazi.

32Ngokuba uYohane weza kuni ngendlela yobulungisa, anakholwa nguye; kodwa bákholwa nguye bona ababuthi berhafu namahenyukazi; ke nina, nakukubona oko, anibuyanga nizohlwaye, ukuze nikholwe nguye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umzekeliso wesidiliya
(UMarko 12:1-12; uLuka 20:9-18)

33Yivani omnye umzekeliso. Bekukho umninindlu othile owatyala isidiliya, wasibiyela
ngothango, wemba kuso isixovulelo seediliya, wakha inyango, waqeshisa ngaso
kubalimi, wahambela kwelinye.

34Kuthe ke lakusondela ixesha leziqhamo, wathuma abakhonzi bakhe kubalimi abo,
ukuya kwamkela iziqhamo zaso.

35Besuka abalimi babathabatha abakhonzi bakhe, bathi omnye bamtyabula, omnye
bambulala, nomnye bamgibisela ngamatye.

36Wabuya wathuma abanye abakhonzi, bebaninzi kunabokuqala, benjenjalo nakubo.

37Uthe ke kamva wathuma kubo unyana wakhe, esithi, Baya kumhlonela yena
unyana wam.

38Bathe ke bakumbona unyana abalimi, batshono ukuthi, Lo yindlalifa; yizani
simbulale, sihlale nelifa lakhe.

39Bamthabatha, bamkhuphela ngaphandle kwesidiliya, bambulala.

40Xa athe weza ngoko umninisidiliya, uya kwenza ntoni na kwabo balimi?

41Bathi kuye, uya kubatshabalalisa kakubi abangendawo abo, aze isidiliya eso
aqeshise ngaso kubalimi bambi, abomamkelisa iziqhamo ngamaxesha azo.

42Athi kubo uYesu, Anizanga nilese na ezibhalweni ukuthi, Ilitye abalicekisáyo abakhi,
Lelona laba yintloko yembombo; Kwavela eNkosini oku, Kungummangaliso
emehlweni ethu? (INdum. 118:22)

43Ngenxa yoko ndithi kuni, Ubukumkani bukaThixo buya kususwa kuni, bunikwe
uhlanga oluzivelisayo iziqhamo zabo.

44Kanjalo lowo uwe phezu kweli litye uya kutyumka, ke lowo lithe lamwela liya
kumcola.

45Bathi ababingeleli abakhulu nabaFarisi, bakuyiva imizekeliso yakhe, baqonda ukuba
uthetha ngabo.

46Bathi befuna ukumbamba, boyika abantu, ekubeni ke babebambe ukuthi
ungumprofeti.

UMateyu 22

Umzekeliso womsitho
(ULuka 14:16-24)

1Waphendula uYesu, wabuya wathetha kubo ngemizekeliso, esithi,

2Ubukumkani bamazulu bufanekiswa nomntu ongukumkani, owamenzela umsitho
unyana wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Wesusa abakhonzi bakhe ukuba baye kubabiza abamenyiweyo, beze emsithweni;
basuka àbavuma ukuza.

4Wabuya wesusa abanye abakhonzi, esithi, Yitshoni kwabamenyiweyo ukuthi,
Yabonani, isidlo sam sendisilungisile; iinkomo zam neento zam ezityetyisiweyo
zixheliwe, konke sekulungile; yizani emsithweni.

5Abakhathalanga ke bona; basuka bemka, omnye waya kweyakhe intsimi, omnye
waya ekurhwebeni kwakhe.

6Bathi ke abaseleyo bababamba abakhonzi bakhe, babaphatha kakubi, bababulala.

7Evile ke ukumkani, waqumba, wayikhupha imikhosi yakhe, wabatshabalalisa abo
babulali, wawutshisa nomzi wabo.

8Aze athi kubakhonzi bakhe, Umsitho okunene sewulungile wona, kodwa
abamenyiweyo bebengafanelekile.

9Yiyani ngoko ezintlanganweni zeendlela, nithi abo nithe nabafumana, nibabize beze
emsithweni.

10Baphuma abo bakhonzi baya ezindleleni, bahlanganisa bonke ababafumanáyo,
abakhohlakeleyo kwanabalungileyo; wazala umsitho ngabamenyiweyo.

11Ke kaloku akungena ukumkani, eza kukhangela abamenyiweyo, wabona apho
umntu ongambethe ngubo yamsitho.

12Athi kuye, Wethu, utheni na ukungena apha, ungenáyo ingubo yomsitho?

13Lamkhohla ke. Wathi ukumkani kubalungiseleli, Mbopheni iinyawo nezandla,
nimthabathe, nimkhuphele ebumnyameni bangaphandle; khona apho kuya kubakho
ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

14Kuba baninzi ababiziweyo, ke bambalwa abanyuliweyo.

Malunga nerhafu

(UMarko 12:13-17; uLuka 20:20-26)

15Baza abaFarisi baya benza ibhunga lokuba bamthiyele ekuthetheni kwakhe.

16Bathumela kuye abafundi babo benamaHerode, besithi, Mfundisi, siyazi ukuba
uyinyaniso, uyifundisa indlela kaThixo ngenyaniso; kananjalo akukhathali nangubani,
kuba akukhethi buso bamntu.

17Sixelele ngoko, uthini na wena? Kuvumelekile na ukumnika irhafu uKesare,
akuvumelekile, sini na?

18Ke kaloku, eyazi uYesu inkohlakalo yabo, wathi, Nindilingelani na,
bahanahanisindini?

19Ndiboniseni iqhosha lerhafu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Bamzisela ke idenariyo. Athi kubo, Ngokabani na lo mfanekiso nombhalo?

21Bathi kuye, NgokaKesare. Andule ukuthi kubo, Nikelani kaloku izinto zikaKesare kuKesare, neento zikaThixo kuThixo.

22Bakuva bamangaliswa, basuka bamshiya, bemka.

AbaSadusi novuko

(UMarko 12:18-27; uLuka 20:27-40)

23Kwangaloo mini kweza kuye abaSadusi, abathi akukho luvuko; bambuza, besithi,

24Mfundisi, uMoses wathi, Ukuba ubani uthe wafa engenabantwana, wothi umzalwana wakhe amngene umfazi wakhe, amvelisele imbewu umzalwana wakhe.

25Ke kaloku kwaye kukho kuthi abazalwana abasixhenxe; waza owokuqala akubon' ukuba uzekile wabhubha, wathi, kuba engenambewu, wamshiya kumzalwana wakhe umfazi wakhe.

26Wenjenjalo nowesibini, nowesithathu, kwada kwaya kowesixhenxe.

27Emveni ke kwabo bonke, wafa naye umfazi.

28Ngoko eluvukweni uya kuba ngumfazi wawuphi na kweso sixhenxe? Kuba babenaye bonke.

29Waphendula ke uYesu wathi kubo, Niyalahleka, kuba ningazazi izibhalo kwanamandla kaThixo.

30Kuba eluvukweni abazeki, abendiswa; banjengazo izithunywa zikaThixo emazulwini.

31Ngalo ke uvuko lwabafileyo, anikulesanga na okwathethwayo kuni nguThixo, esithi,

32Mna ndinguThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi? UThixo akaThixo wabafileyo, ungowabaphilileyo.

33Zathi izihlwele zakukuva, zakhwankqiswa yimfundiso yakhe.

Umthetho omkhulu

(UMarko 12:28-34; uLuka 10:25-27)

34Ke kaloku bathe abaFarisi, bakuva ukuba ubéthe labakhohla abaSadusi, bahlanganiselana ndawonye.

35Omnye kubo ongumqondisi-mthetho wambuza emlinga, wathi,

36Mfundisi, owona myalelo mkhulu emthethweni nguwuphi na?

37Wathi ke uYesu kuye, Uze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangengqondo yakho iphela.

38Nguwo lowo owokuqala nomkhulu umthetho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Owesibini ke ufana nawo: Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako.

40Kule mithetho yomibini kuxhomekeke umyalelo uphela nabaprofeti.

UKristu, uNyana kaDavide
(UMarko 12:35-37; uLuka 20:41-44)

41Bakubon' ukuba bahlanganisene ke abaFarisi,

42uYesu wabuza kubo, esithi, Nithini na nina ngaye uKristu? Ungunyana kabani na? Bathi kuye, kaDavide.

43Athi kubo, Yini na phofu ukuba uDavide ngoMoya ambize ngokuthi, Nkosi, esithi,

44Yathi iNkosi eNkosini yam, Hlala ngasekunene kwam, Ndide iintshaba zakho ndizenze isihlalo seenyawo zakho? (INdum. 110:1)

45Ukuba uDavide ngoko umbiza ngokuba Nkosi, úngunyana wakhe ngani na?

46Akubangakho namnye ubenako ukumphendula nezwi eli; kananjalo kususela kuloo mini, akubanga sabakho mntu waba nabuganga bakumbuza nto.

UMateyu 23

UYesu ukhalimela ababhali nabaFarisi
(ULuka 11:37-12:3)

1Waza uYesu wathetha kwisihlwele nakubafundi bakhe, esithi,

2Ababhali nabaFarisi bahleli esihlalweni sikaMoses.

3Konke ngoko abasukuba besithi kuni kugcineni, ze nikugcine nikwenze; kodwa ze ningenzi ngokwemisebenzi yabo; kuba bathetha baze bangenzi.

4Kuba babopha imithwalo enzima, esindayo, bayibeke emagxeni abantu, babe ke bona bengathandi kuyishukumisa nangomnwe lo wabo.

5Yonke imisebenzi yabo ke bayenza ngokunga bangabonwa ngabantu; bawènze banzi amaqhaga abo ezikhumbuzo, bayàndise imiqukumbelo yeengubo zabo.

6Kananjalo bathanda izilili zobukhulu ezidlweni, kwanezihlalo zobukhulu ezindlwini zesikhungu,

7nemibuliso ezindaweni zembutho, nokubizwa ngabantu kuthiwe, Rabhi, Rabhi.

8Ke nina maningabizwa kuthiwe Rabhi; kuba mnye uMkhokeli wenu, uKristu; nina ke nonke ningabazalwana.

9Ningabizi mntu ngokuba nguyihlo emhlabeni apha; kuba mnye uYihlo wenu, lowo usemazulwini.

10Kananjalo maningabizwa ngokuba ningabakhokeli; kuba mnye uMkhokeli wenu, uKristu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Omkhulu ke kuni makabe ngumlungiseleli wenu.

12Osukuba ke eziphakamisa uya kuthotywa; nosukuba ezithoba uya kuphakanyiswa.

13Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba nibuvala ubukumkani bamazulu phambi kwabantu; kuba aningeni nina, nabangénayo anibavumeli ukuba bangene.

14Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba nisidla izindlu zabahlolokazi, nize ngokunyhwalaza nithandaze uzungu; ngenxa yoko niya kwamkela ugwebo olugqithiseleyo.

15Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba nijikajika ulwandle nomhlaba ukuze nenze nokuba mnye ongena ebuYudeni; nithi, xa athe wazuzeka, nimenze abe ngumntwana wesihogo ngokuphindiweyo kunani.

16Yeha, nina bakhokelindini baziimfama! Nina nithi, Othe wafunga itempile, akunto oko; ke othe wafunga igolide yetempile, unetyala.

17Ziyatha, zimfama, kanene yiyiphi na enkulu? Yigolide, yitempile eyingcwalisayo igolide, kusini na?

18Kanjalo nina nithi, Othe wafunga isibingelelo, akunto oko; ke othe wafunga umnikelo ophezu kwaso, unetyala.

19Ziyatha, zimfama, kanene yiyiphi na enkulu? Ngumnikelo, sisibingelelo esiwungcwalisayo umnikelo, kusini na?

20Lowo usifungayo ngoko isibingelelo ufunga sona neento zonke eziphezu kwaso.

21Nalowo uyifungayo itempile, ufunga yona nomiyo kuyo.

22Nalowo uwafungayo amazulu, ufunga itrone kaThixo nohleli phezu kwayo.

23Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba ninikela izishumi zetyeleba nedile nekumin, kanti nizishiyile ezona ndawo zinzima zomthetho, umgwebo nenceba nokholo; ezi benimelwe kukuba nizenze, nithi neziya ningazishiyi.

24Bakhokelindini baziimfama, abahluza imbuzane, ke baginye inkamela.

25Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba nihlambulula umphandle wendebe nesitya, kanti ke ngaphakathi kuzele kukuphanga nokungazeyisi.

26MFarisindini uyimfama, hlambulula tanci okungaphakathi kwendebe nesitya, ukuze kuthi okungaphandle kwazo kuhlambuluke nako.

27Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba nifana namangcwaba aqatywe ifutha, athi abonakale emahle okunene ngaphandle, kanti ngaphakathi azele ngamathambo abafileyo nokungcola konke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Ngokukwanjalo nani ngaphandle okunene nibonakala kubantu ningamalungisa,
kanti ngaphakathi nizele luhanahaniso nokuchasene nomthetho.

29Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba niwakha amangcwaba
abaprofeti, nivathise amangcwaba amalungisa,

30nithi, Ukuba sasikho thina ngemihla yoobawo, singe singabanga nabudlelane nabo
ngegazi labaprofeti.

31Ngoko niyangqina kwanina, ukuba ningoonyana babo bábulala abaprofeti.

32Wuzaliseni kambe nani umlinganisela wooyihlo.

33Zinyokandini, nzalandini yamarhamba, ningáthini na ukuwusaba umgwebo
wesihogo?

34Ngenxa yoko, niyabona, mna ndinithumela abaprofeti nezilumko nababhali; niya
kuthi inxenye kubo niyibulale, niyibethelele eminqamlezweni, nithi inxenye kubo
niyityakatye ezindlwini zenu zesikhungu, niyitshutshise kwimizi ngemizi;

35ukuze linifikele lonke igazi elinobulungisa, elaphalazwayo emhlabeni apha,
lithabathela egazini lika-Abheli ilungisa, lizise egazini likaZekariya, unyana
kaBherekiya, enambulalela phakathi kwendawo engcwele nesibingelelo.

36Inene, ndithi kuni, Zonke ezo zinto ziya kusihlela esi sizukulwana.

UYesu ulilela iYerusalem

37Yerusalem, Yerusalem, wena ubabulalayo abaprofeti, ubagibisele ngamatye abo
bathunywe kuwe, kufuthi kangakanani na ndithandé ukubabuthela ndawonye
abantwana bakho, ngohlobo esithi isikhukukazi siwabuthele ndawonye amathole aso
ngaphantsi kwamaphiko, anavuma!

38Yabonani, indlu yenu ishiywa nani izé.

39Kuba ndithi kuni, Aniyi kuba sandibona emveni koku, nide nithi, Makabongwe lowo
uzayo egameni leNkosi.

UMateyu 24

Iziprofeto ezimalunga nokutshatyalaliswa kwetempile nesiphelo samaxesha

(UMarko 13; uLuka 21:5-36)

1Ephumile uYesu, wemka etempileni; bathe abafundi bakhe beza kumbonisa
izakhiwo zetempile.

2Wathi ke uYesu kubo, Niyazibona na zonke ezi zinto? Inene, ndithi kuni, Akusayi
kusala apha ilitye phezu kwelitye, elingayi kuchithwa.

3Ke kaloku, akubon' ukuba uhleli eNtabeni yemiNquma, beza kuye abafundi
bebodwa, bathi, Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto; úya kuba yini na
umqondiso wokufika kwakho, nowokupheliswa kwephakade eli?

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Waphendula uYesu wathi kubo, Lumkani ningalahlekiswa mntu.

5Kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi banguKristu, balahlekise into eninzi.

6Niya kuthi ke nive iimfazwe namarhe eemfazwe; lumkani ningabi navuso, kuba zonke ezo zinto zimele ukuhla; kanti kona ukuphela akukabikho.

7Kuba uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani; kuya kubakho iindlala, neendyikitya zokufa, nezinyikimo zomhlaba kwiindawo ngeendawo.

8Zonke ke ezo zinto zikukuqaleka kwenimba.

9Ngelo xesha baya kuninikela ekubandezelweni, banibulale; niya kuthiywa ziintlanga zonke ngenxa yegama lam.

10Ngelo xesha baninzi abaya kukhutyekiswa, banikelane, bathiyane.

11Kwaye kuya kuvela abaprofeti ababuxoki babe baninzi, balahlekise abantu abaninzi.

12Nangenxa yokwanda kokuchasa umthetho, luya kuphola uthando lwabaninzi.

13Ke onyamezeleyo kwada kwaba sekupheleni, lowo uya kusindiswa.

14Zaye ezi ndaba zilungileyo zobukumkani ziya kuvakaliswa kulo elimiweyo liphela, zibe bubungqina kuzo zonke iintlanga; kwandule ke ukufika ukuphela.

15Xa ke ngoko nithe nalibona isikizi lesiphanziso, ekwakuthethwa lona ngoDaniyeli umprofeti, limi endaweni engcwele (olesayo makaqiqe),

16ngelo xesha mabathi abakwelakwa Yuda basabele ezintabeni.

17Ophezu kwendlu makangehli aye kuthabatha into endlwini yakhe;

18nosentsimini makangabuyeli emva aye kuthabatha iingubo zakhe.

19Yeha ke, abamithiyo nabanyisayo ngaloo mihla!

20Thandazani ke, ukuba intsabo yenu ingabi khona ebusika nangesabatha.

21Kuba ngelo xesha kuya kubakho imbandezelo enkulu, ekungazanga kubekho injalo kwasekuqalekeni kwehlabathi, kwada kwaba kalokunje, ekungasayi kubuye kubekho injalo.

22Kanjalo ukuba ibingayi kuthi loo mihla inqanyulelwe, bekungayi kubakho nyama isindayo; ngenxa ke yabanyuliweyo, loo mihla iya kunqanyulelwa.

23Ngelo xesha, ukuba ubani uthe kuni, Nanku apha uKristu, nokuba uthe, Nankuya phaya, musani ukuholwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Kuba kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso emikhulu nezimanga, ngokokude bathi, ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo.

25Yabonani, ndinixelele ngenxa engaphambili.

26Ukuba ngoko bathi kuni, Nanko entlango, musani ukuphuma niye. Nokuba bathi, Nanko emagumbini, musani ukukholwa.

27Kuba kwanjengokuba umbane uthi uphume empumalanga, ubonakale kude kuse entshonalanga, kuya kuba njalo nokufika koNyana woMntu.

28Kuba apho sukuba sikhona isidumbu, aya kuhlanganisana khona amaxhalanga.

29Kwaoko ke, emveni kwembandezelo yaloo mihla, ilanga liya kwenziwa mnyama, ithi nenyanga ifiphale, zithi neenkwenkwezi ziwe ezulwini, athi namandla amazulu azanyazanyiswe.

30Uya kubonakala ngelo xesha umqondiso woNyana woMntu ezulwini; zimbambazele ngelo xesha zonke izizwe zomhlaba, zimbone uNyana woMntu esiza phezu kwamafu ezulu, enamandla, nobuqaqawuli obukhulu.

31Wozithuma izithunywa zakhe zasemazulwini, zinexilongo elisandi sikhulu, zihlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, baphume kumacala omané omoya, kuthabathela esiphelweni sezulu, kude kuse kwesinye isiphelo salo.

32Wufundeni ke umzekeliso kuwo umkhiwane: xa selithe lathamba isebe lawo, lahluma amagqabi, niyazi ukuba likufuphi ihlobo.

33Ngokukwanjalo nani, xa nithe nazibona zonke ezo zinto, yazini ukuba kukufuphi, sekusemnyango.

34Inene ndithi kuni, Asisayi kudlula esi sizukulwana, zingadanga zonke ezo zinto zibekho.

35Liya kudlula izulu nomhlaba, ke wona amazwi am akasayi kudlula.

Phaphani!

36Kodwa akukho bani uwaziyo loo mhla nelo lixa; àzazi nezithunywa zamazulu, nguBawo yedwa.

37Ke kaloku, njengokuba ibinjalo imihla kaNowa, koba njalo nokufika koNyana woMntu.

38Kuba njengokuba babesithi, ngemihla ebingaphambi konogumbe, badle, basele, bazeke, bendise, kwada kwayimini awangena ngayo emkhombeni uNowa,

39bengaqondanga, wada wafika unogumbe, wabakhukulisa bonke: koba njalo nokufika koNyana woMntu.

40Ngelo xesha ababini boba sentsimini, athi omnye amkelwe, omnye ashiywe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

41Abafazi ababini boba besila etyeni lokusila, athi omnye amkelwe, omnye ashiywe.

42Phaphani ngoko; ngokuba ningazi ukuba lilixa liphi na eza ngalo iNkosi yenu.

43Yazini ke oku, ukuba ebesazi umninindlu ukuba isela liza ngawuphi na umlindo wobusuku, ange elindile, akavuma ukuba indlu yakhe igqojozwe.

44Ngenxa yoko yibani nilungile nani, ngokuba uNyana woMntu uza ngelixa eningalikhumbuleliyo.

Umzekeliso wabakhonzi ababini

(ULuka 12:42-48)

45Ngubani na ke loo mkhonzi uthembekileyo, uqondayo, eyathi inkosi yakhe yammisa phezu kwabendlu yayo, ukuze abanike ukudla ngexesha elifanelekileyo?

46Unoyolo loo mkhonzi, iya kuthi yakufika inkosi yakhe imfumane esenjenjalo.

47Inene ndithi kuni, iya kummisa phezu kwayo yonke impahla yayo.

48Ukuba ke umkhonzi lowa ukhohlakeleyo uthe entliziyweni yakhe, Inkosi yam ilibele,

49ayizi, aqale ababethe abakhonza kunye naye, adle ke, asele nabanxilayo,

50iya kufika inkosi yaloo mkhonzi ngemini angayikhangeleyo, nangelixa angalaziyo,

51imsike kubini, immisele isabelo sakhe nabahanahanisi; khona apho kuya kubakho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

UMateyu 25

Umzekeliso weentombi ezilishumi

1Ngelo xesha ubukumkani bamazulu buya kufanekiswa neentombi ezilishumi, ezazithabathayo izibane zazo, zaphuma zaya kumkhawulela umyeni.

2Ezintlanu ke kuzo zaye ziziingqondi, ezintlanu ziziziyatha.

3Ezo ziziziyatha zaphatha izibane zazo, azaphatha oli nazo;

4kodwa eziziingqondi zaphatha ioli ezityeni zazo, kwanezibane zazo.

5Ke kaloku, akubon' ukuba ulibele umyeni, zozela zonke zalala.

6Phakathi kobusuku ke kwabakho umemezo oluthi, Nanko umyeni esiza; phumani niye kumkhawulela.

7Zaza zavuka zonke ezo ntombi, zalungisa izibane zazo.

8Zathi ke eziziziyatha kweziziingqondi, Sipheni kwioli yenu leyo, ngokuba izibane zethu zicima.

9Zaphendula ke eziziingqondi, zathi, Hayi, hleze inganeli kuthi nakuni; yiyani kanye kwabathengisayo, nizithengele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuthe ke, zisaya kuthenga, wafika umyeni; zaza ezo bezisezilungile zangena naye emsithweni, lwavalwa ke ucango.

11Zithi ke kamva zifike nezinye iintombi ezo, zisithi, Nkosi, nkosi, sivulele.

12Yaphendula ke yona yathi, Inene ndithi kuni, andinazi nina.

13Phaphani ngoko, ngokuba ningayazi imini kwanalo ilixa.

Umzekeliso weetalente
(ULuka 19:11-27)

14Kuba kunjengomntu owathi, eza kuhambela kwelinye, wabiza abakhe abakhonzi, wayinikela kubo impahla yakhe.

15Wathi omnye wamnika iitalente zantlanu, omnye zambini, nomnye yaba nye, walowo wanikwa ngokwawakhe amandla; wahambela kwelinye kwaoko.

16Lowo ke wamkela iitalente ezintlanu, waya wasebenza ngazo, wenza esinye isihlanu seetalente.

17Kwangokunjalo nalowo wamkela ezimbini, naye wazuza esinye isibini.

18Ke naye lowo wamkela yanye, waya wemba emhlabeni, wayifihla imali yenkosi yakhe.

19Ithi ke emveni kwexesha elikhulu, ifike inkosi yabo bakhonzi, ibalelane nabo.

20Weza lowo wamkela iitalente ezintlanu, wazisa esinye isihlanu seetalente, esithi, Nkosi, wandinika iitalente zantlanu; khangela, ndizuze esinye isihlanu seetalente phezu kwazo.

21Yathi ke kuye inkosi yakhe, Hee ke, mkhonzi ulungileyo, uthembekileyo! Ubuthembekile kwiinto ezimbalwa; ndiya kukumisa phezu kweento ezininzi; ngena eluvuyweni lwenkosi yakho.

22Weza ke nalowo wamkela iitalente ezimbini, wathi, Nkosi, wandinika iitalente zambini; khangela, ndizuze esinye isibini seetalente phezu kwazo.

23Yathi kuye inkosi yakhe, Hee ke, mkhonzi ulungileyo, uthembekileyo! Ubuthembekile kwiinto ezimbalwa; ndiya kukumisa phezu kweento ezininzi; ngena eluvuyweni lwenkosi yakho.

24Weza ke nalowo wamkela italente yanye, wathi, Nkosi, bendikwazi wena ukuba ungumntu olukhuni, uvuna apho ubungahlwayelanga khona, ubùthe apho ungelelanga khona;

25ndasuka ndoyika, ndaya ndayiselela italente yakho ngomhlaba; nanku unako okwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Yaphendula ke inkosi yakhe yathi kuye, Mkhonzindini ukhohlakeleyo, ulivila, ubusazi nje ukuba ndivuna apho ndingahlwayelanga khona, ndibùthe apho ndingelelanga khona,

27ubumelwe kukuthi ngoko ube ubuyibeke imali yam kubananisi, ndaza ndakufika mna, ndabuya ndakuzuza okwam kunenzala.

28Mhlutheni ngoko italente leyo, niyinike lowo uneetalente ezilishumi.

29Kuba wonke umntu onako uya kunikwa, abe nako ngokugqithiseleyo; ke ongenako, uya kuhluthwa kwanoko anako.

30Naye umkhonzi ongancedi lutho, mkhupheleni ebumnyameni obungaphandle; khona apho kuya kubakho ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

Imini yomgwebo

31Xa ke athe wafika uNyana woMntu esebuqaqawulini bakhe, enazo zonke izithunywa ezingcwele, ngelo xa uya kuhlala phezu kwetrone yobuqaqawuli bakhe;

32zihlanganiswe phambi kwakhe zonke iintlanga, abahlule abanye kwabanye, njengokuba umalusi ezahlula izimvu ezibhokhweni;

33athi zona izimvu azimise ngasekunene kwakhe, athi kodwa zona iibhokhwe azimise ngasekhohlo.

34Úya kuthi ke ukumkani kwabangasekunene kwakhe, Yizani, nina nisikelelweyo nguBawo, nibudle ilifa ubukumkani obalungiselwa nina kwasekusekweni kwehlabathi;

35kuba ndalamba, nandipha ukudla; ndanxanwa, nandiseza; ndandingowasemzini, nandingenisa endlwini;

36ndandizé, nandambesa; ndandisifa, nandivelela; ndandisentolongweni, neza kum.

37Oza amphendule ke amalungisa, esithi, Nkosi, sákubona nini na ulambile, sakonga; unxaniwe, sakuseza?

38Sákubona nini na ke ungowasemzini, sakungenisa endlwini, uzé, sakwambesa?

39Sákubona nini na ke usifa, okanye usentolongweni, seza kuwe?

40Aze aphendule ukumkani athi kuwo, Inene ndithi kuni, Ekubeni nenjenjalo nakumnye waba bazalwana bam bangabona bancinane, nenjenjalo nakum.

41Úya kuthi nakwabangasekhohlo, Mkani kum, nina baqalekiswa, niye emlilweni ongunaphakade, owalungiselwa uMtyholi nezithunywa zakhe.

42Kuba ndalamba, anandipha kudla; ndanxanwa, anandiseza; ndandingowasemzini, anandingenisa ndlwini;

43ndandizé, anandambesa; ndandisifa, ndandisentolongweni, anandivelela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

44Boza ke bamphendule nabo, besithi, Nkosi, sákubona nini na ulambile, okanye unxaniwe, okanye ungowasemzini, okanye uzé, okanye usifa, okanye usentolongweni, asakulungiselela?

45Aze abaphendule, esithi, Inene ndithi kuni, Ekubeni ningenjanga njalo nakumnye waba bangabona bancinane, anenjanga njalo nakum.

46Baya kumka aba baye elubethweni olungunaphakade; ke wona amalungisa aya kuya ebomini obungunaphakade.

UMateyu 26

Iinkokeli zamaYuda ziyabhungisana

(UMarko 14:1,2; uLuka 22:1,2; uYoh. 11:47-57)

1Kwathi, xa ebewagqibile uYesu onke la mazwi, wathi kubafundi bakhe,

2Niyazi ukuba emveni kweentsuku ezimbini kukho ipasika, aze uNyana woMntu anikelwe ukuba abethelelwe emnqamlezweni.

3Bathi ngelo xa ababingeleli abakhulu, nababhali, namadoda amakhulu abantu, bahlanganisana endlwini yombingeleli omkhulu okuthiwa nguKayafa;

4babhunga ukuba bambambe uYesu ngenkohliso, bambulale.

5Ke babesithi, Makungabi khona ngomthendeleko, ukuze kungehli saqunge phakathi kwabantu.

Isidlo saseBhetani

(UMarko 14:3-9; uYoh. 12:1-8)

6Ke kaloku, akubon' ukuba uYesu useBhetani, endlwini kaSimon owayeneqhenqa,

7kweza kuye umfazi enehlala lelabhastile, linamafutha aqholiweyo axabiso likhulu, wawagalela phezu kwentloko yakhe, akubon' ukuba uhleli ngasesithebeni.

8Bekubonile ke oko abafundi bakhe, bacaphuka, besithi, Yeyani na le nkcitho?

9Kuba la mafutha ngekuthengiswe lukhulu ngawo, kwaza kwaphiwa amahlwempu.

10Ekwazi ke oko, uYesu wathi kubo, Umfazi lo nimaphulelani na? Kuba usebenze kum umsebenzi omhle.

11Kuba amahlwempu lawo nihleli ninawo; kodwa mna anihleli ninam.

12Kuba la mafutha aqholiweyo, yena ewathululele emzimbeni wam nje, wenzele ukungcwatywa kwam.

13Inene ndithi kuni, Apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zilungileyo kulo lonke ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto ayenzileyo yena, ibe sisikhumbuzo ngaye.

Umvuzo womngcatshi

(UMarko 14:10,11; uLuka 22:3-6)

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ngelo xesha kwaphuma omnye weshumi elinababini, ekuthiwa nguYuda Sikariyoti,
waya kubabingeleli abakhulu,

15wathi, Ningandinika ntoni na, ndimnikele kuni? Bammisela ke amaqhosha esilivere
amashumi mathathu.

16Waza kwalapho wafuna ithuba elilungileyo lokuze amnikele kubo.

Ipasika yokugqibela nesidlo seNkosi

(UMarko 14:12-26; uLuka 22:7-23; I kwabaseKor. 11:23-29)

17Ke kaloku, ngowokuqala umhla wezonka ezingenagwele, beza abafundi kuYesu,
besithi kuye, Ùfuna ukuba sikulungisele phi na ukuyidla ipasika?

18Wathi ke yena, Hambani niye kuwo umzi, kuthile, nithi kuye, Uthi uMfundisi, ixesha
lam likufuphi; ndiya kuyenzela kuwe ipasika nabafundi bam.

19Abafundi benza ke ngoko uYesu abebayaleze ngako, bayilungisa ipasika.

20Kwakuhlwa ke, wahlala ngasesithebeni nabalishumi elinababini.

21Xa badlayo, wathi, Inene ndithi kuni, Omnye kuni aba uya kundingcatsha.

22Baza, bebuhlungu kakhulu, baqala ukuthi kuye bonke ngabanye, Ingaba ndim yini
na, Nkosi?

23Waphendula ke yena wathi, Osithe nkxu nam isandla esityeni, nguye lowo uya
kundingcatsha.

24UNyana woMntu uyemka okunene, njengoko kubhaliweyo ngaye. Kodwa ke, yeha,
loo mntu uNyana woMntu angcatshwa nguye! Ngekumlungele ukuba
ebengazalwanga loo mntu.

25Waphendula ke uYuda, lowo wamngcatshayo, wathi, Ingaba ndim yini na, Rabhi?
Athi yena kuye, Uselutshilo nawe.

26Bakubon' ukuba bayadla ke, uYesu wasithabatha isonka, wathi akusikelela
waqhekeza, wanika abafundi, wathi, Thabathani nidle; ngumzimba wam lo.

27Wayithabatha nendebe, wabulela, wabanika, esithi, Selani kuyo nonke;

28kuba ligazi lam eli lomnqophiso omtsha, eliphalala ngenxa yabaninzi, ukuze
kuxolelwe izono.

29Ndithi ke kuni, Andisayi kusela kwesi siqhamo somdiliya, kuthabathela kweli xesha,
kude kube yiloo mini sukuba ndisisela nani sisitsha ebukumkanini bukaBawo.

30Bakuba bevume ingoma yokudumisa, baphuma baya eNtabeni yemiNquma.

UPetros uyalunyukiswa

(UMarko 14:27-31; uLuka 22:31-34; uYoh. 13:36-38)

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Ngelo xesha uthi uYesu kubo, Nina nonke niya kukhubeka ngam ngobu busuku;
kuba kubhaliwe kwathiwa, Ndiya kumbetha umalusi, zichithwachithwe izimvu
zomhlambi. (UZek. 13:7)

32Kodwa emveni kokuvuka kwam, ndiya kunandulela ndiye kwelaseGalili.

33Waphendula ke uPetros wathi kuye, Nokuba bonke baya kukhubeka ngawe,
andisayi kukha ndikhubeke mna.

34Wathi uYesu kuye, Inene ndithi kuwe, Kwangobu busuku, ingekalili inkulu, ùya
kundikhanyela kathathu.

35Athi uPetros kuye, Ndingafanelana ndimelwe kukuba ndife nawe, andingekhe
ndikukhanyele. Batsho nabo bonke abafundi.

UYesu eGetsemane

(UMarko 14:32-42; uLuka 22:39-46; uYoh. 18:1)

36Ngelo xesha, ufika uYesu nabo kumhlatyana ekuthiwa yiGetsemane; athi
kubafundi, Hlalani phantsi apha, ndikhe ndiye kuthandaza phaya.

37Wathabatha uPetros noonyana bobabini bakaZebhedi, waqala ukuba buhlungu
nokudandatheka kakhulu.

38Aze athi kubo, Umphefumlo wam ubuhlungu kakhulu, ngokokude ube sekufeni;
hlalani apha nilinde nam.

39Waza, ehambele phambili umganyana, wawa ngobuso bakhe, wathandaza, esithi,
Bawo, ukuba kunokwenzeka, mayidlule kum le ndebe; noko makungabi
njengokuthanda kwam, makube njengokuthanda kwakho.

40Úyeza kubafundi, abafumane belele, athi kuPetros, Ninje na ukungabi nako
ukulinda nam nexa elinye?

41Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni; umoya wona okunene
unentumekelelo, ke yona inyama ithambile.

42Wabuya wemka okwesibini, wathandaza, esithi, Bawo, ukuba ayinako le ndebe
ukudlula kum ndingathanga ndiyisele, makwenzeke ukuthanda kwakho.

43Afike abafumane bebuye balala, kuba amehlo abo ayenzima bubuthongo.

44Wabashiya, wabuya wemka, wathandaza okwesithathu, ethetha kwalona elo lizwi.

45Andule ukuza kubafundi bakhe, athi kubo, Lalani ngoku, niphumle; yabonani,
lisondele ilixa lokuba uNyana woMntu anikelwe ezandleni zaboni.

46Vukani, sihambe; yabonani, usondele lowo undinikelayo.

UYesu uyabanjwa

(UMarko 14:43-50; uLuka 22:47-53; uYoh. 18:2-11)

© 1975 Bible Society of South Africa.

47Kuthe, esathetha, kwathi gqi uYuda, omnye wabalishumi elinababini; weza enendimbane enkulu inamakrele neentonga, ivela kubabingeleli abakhulu namadoda amakhulu abantu.

48Ke kaloku, wayethe lowo umnikelayo wabanika umqondiso, esithi, Endithe ndamanga, nguye lowo; mbambeni.

49Wafika ke kwaoko kuYesu, wathi, Aa, Rabhi!

50Wamanga nokumanga. Wathi ke uYesu kuye, Wethu! Ukho ngani na? Bandula ukuza, bamsa izandla uYesu, bambamba.

51Wesuka omnye wabo babenoYesu, wolula isandla, warhola ikrele lakhe, wamxabela umkhonzi wombingeleli omkhulu, wamnqumla indlebe.

52Aze athi uYesu kuye, Libuyisele endaweni yalo ikrele lakho; kuba bonke abathabatha ikrele baya kutshabalala likrele.

53Ùba andinako na ngoku ukumbongoza uBawo, andikhuphele imikhosi yezithunywa zezulu engaphezu kweshumi elinamibini?

54Bezingáthini na ke oko ukuzaliseka izibhalo ezithi, kumele ukuba kube nje?

55Ngalo elo lixa wathi uYesu kwindimbane, Niphumele ukuza kubamba mna na, ninamakrele neentonga nje, ngathi niphumele isihange? Bendihleli nani imihla ngemihla, ndifundisa etempileni, anandibamba.

56Oku ke konke kwenzeké, ukuze zizaliseke izibhalo zabaprofeti. Basuka bonke abafundi bamshiya, babaleka.

UYesu phambi kombingeleli omkhulu

(UMarko 14:53-65; uLuka 22:63-71; uYoh. 18:12-27)

57Abo ke bambambáyo uYesu, bamrholela kuKayafa, umbingeleli omkhulu, apho babehlanganisene khona ababhali namadoda amakhulu.

58Ke kaloku uPetros wayemlandela, ebekele kude, kwada kwaya entendelezweni yendlu yombingeleli omkhulu. Engene ngaphakathi, wahlala phantsi namadindala, ukuba abone isiphelo.

59Ke kaloku, baye ababingeleli abakhulu, namadoda amakhulu, nentlanganiso yamatyala iphelele, befuna ubungqina obubuxoki ngoYesu, ukuze bambulale; ababufumananga;

60nangona afikáyo amangqina abuxoki aba maninzi, ababufumananga. Ada ke afika amangqina abuxoki emabini, athi, Lo wathi,

61Ndinako ukuyichitha itempile kaThixo, ndibuye ndiyakhe ngeentsuku ezintathu.

62Wesuka wema umbingeleli omkhulu, wathi kuye, Akuphenduli nto na? Bangqina ntoni na aba ngawe?

© 1975 Bible Society of South Africa.

63Wahlala yena uYesu wathi tu. Waphendula umbingeleli omkhulu wathi kuye, Ndikufungisa uThixo ophilileyo, ukuba usixelele ukuba unguye na uKristu, unyana kaThixo.

64Athi uYesu kuye, Uselutshilo nawe. Ke ndithi kuni, Emveni koku niya kumbona uNyana woMntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza esemafini ezulu.

65Waza umbingeleli omkhulu wazikrazula iingubo zakhe, esithi, Únyelisile; sisawafunelani na amangqina? Yabonani, ngoku nikuvile ukunyelisa kwakhe; nithini na nina?

66Baphendula ke bona bathi, Únetyala lokuba afe.

67Baza bamtshicela ebusweni, bamntlitha, abanye bammonxoza, besithi,

68Siprofetele, wena Kristu; ubethwe ngubani na?

UPetros ukhanyela uYesu

(UMarko 14:66-72; uLuka 22:54-62; uYoh. 18:15-18,25-27)

69Ke kaloku uPetros wayehleli ngaphandle entendelezweni; kweza kuye sicakazana sithile, sisithi, Nawe ubunaye uYesu lo waseGalili.

70Wakhanyela ke yena phambi kwabo bonke, esithi, Andiyazi into oyithethayo.

71Kuthe ke, ephume waya esangweni, sambona esinye; sithi kwababekhona, Naye lo ebenaye uYesu waseNazarete.

72Waphinda wakhanyela efunga, esithi, Andimazi loo mntu.

73Kwathi ke kwakuba mzuzwana, beza abo babemi khona, bathi kuPetros, Inyaniso, nawe ungowabo; kuba nokuthetha kwakho kuyakudiza.

74Waza waqala ukushwabula nokufunga, esithi, Andimazi loo mntu. Yasuka yalila kwaoko inkuku.

75Walikhumbula uPetros ilizwi likaYesu, abelithethile kuye, esithi, Ingekalili inkuku, uya kundikhanyela kathathu. Ephume phandle, walila ngokukrakra.

UMateyu 27

1Kuthe ke kwakusa, babhunga bonke ababingeleli abakhulu namadoda amakhulu abantu ngaye uYesu, ukuba bambulale.

2Bathi bakumbopha, bamrhola, bamnikela kuPontiyo Pilato, irhuluneli.

Ukuzibulala kukaYuda

(IZenzo 1:16-19)

3Waza uYuda, lowo wamngcatshayo, ebone ukuba ugwetyiwe, wazohlwaya, wawabuyisela kwakubabingeleli abakhulu namadoda amakhulu loo maqhosha esilivere amashumi mathathu, esithi,

4Ndonile, kuba ndingcatshé igazi elingenatyala. Bathi ke bona, Iyini na kuthi loo nto?

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Zibonele wena. Wawaphosa phantsi etempileni apho loo maqhosha esilivere, wemka, waya wazixhoma.

6Ke kaloku ababingeleli abakhulu bawathabatha loo maqhosha esilivere, bathi, Akuvumelekile ukuwagalela emkhombeni weminikelo, ngokokuba elinani legazi.

7Babhunga ke, bathenga ngawo umhlaba wombumbi, ukuze ube yindawo yokungcwabela abasemzini.

8Kungoko wabizwayo loo mhlaba ngokuba ngumhlaba wegazi, kwada kwanamhlanje.

9Kwazaliseka ke okwathethwayo ngoYeremiya umprofeti, esithi, Bawathabatha loo maqhosha esilivere amashumi mathathu, inani lalowo wamiselwa inani, ábammisela inani aboonyana bakaSirayeli, bawarholela umhlaba wombumbi,

10njengoko yandiyalelayo iNkosi.

UYesu phambi koPilato

(UMarko 15:1-20; uLuka 23:1-25; uYoh. 18:28-19:16)

11Wema ke uYesu phambi kwerhuluneli, yambuza irhuluneli isithi, Únguye na uKumkani wamaYuda? Wathi ke uYesu kuyo, Nawe utsho.

12Ke kaloku ekumangalelweni kwakhe ngababingeleli abakhulu namadoda amakhulu, akaphendulanga nto.

13Aze athi uPilato kuye, Akuziva na ukuba zininzi kwazo iindawo abazingqinayo ngawe?

14Akaphendula zwi, noko lilinye, yada yamangaliswa kakhulu irhuluneli leyo.

15Ke kaloku imithendeleko ngemithendeleko irhuluneli ibiqhele ukuzikhululela izihlwele umbanjwa abe mnye, lowo babesithi bamfune.

16Baye ke ngelo xesha benombanjwa obesazeka, ekuthiwa nguBharabhas.

17Bakubon' ukuba ngoko bahlanganisene, wathi kubo uPilato, Nithanda ukuba ndinikhululele wuphi na, uBharabhas, uYesu ekuthiwa nguKristu, kusini na?

18Kuba ebesazi ukuba bamnikele ngomona.

19Akubon' ukuba uhleli esihlalweni sokugweba, umfazi wakhe wathumela kuye, esithi, Uze ungabi nakuthini kuloo mntu ulilungisa, kuba namhlanje ndivé izinto ezininzi ezinzima ephupheni, ngenxa yakhe.

20Kodwa ababingeleli abakhulu namadoda amakhulu bazeyisela izihlwele ekuthini zicele uBharabhas, zimtshabalalise uYesu.

21Yaphendula ke irhuluneli yathi kubo, Nguwuphi na kwaba bobabini enithanda ukuba ndinikhululele yena?

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Bathe ke bona, NguBharabhas. Athi uPilato kubo, Ndímenzeni na ke uYesu
ekuthiwa nguKristu? Bathi kuye bonke, Makabethelelwe emnqamlezweni.

23Yathi ke irhuluneli, Kuba enze bubi buni na? Kwaba kukhona ke bancamisayo
ukunkqangaza, besithi, Makabethelelwe emnqamlezweni.

24Uthe ke uPilato, akubona ukuba akancedi lutho, ebona ukuba sisuke sangakumbi
isiphithiphithi, wathabatha amanzi, wahlamba izandla phambi kwezihlwele, esithi,
Andinatyala egazini lalo mntu ulilungisa; ziboneleni nina.

25Baphendula bonke abantu bathi, Igazi lakhe malibe phezu kwethu, naphezu
kwabantwana bethu.

26Waza wabakhululela uBharabhas; wathi ke, emtyakatyile uYesu, wamnikela ukuba
abethelelwe emnqamlezweni.

27Aza amasoldati erhuluneli amthabatha uYesu, amsa endlwini yerhuluneli,
alihlanganisela phezu kwakhe ibutho lawo liphela.

28Amhluba, amnxiba ingubo ebomvu.

29Aluka isithsaba ngameva, amthi jize ngaso entloko; abeka nengcongolo esandleni
sakhe sokunene, awa ngamadolo phambi kwakhe, adlala ngaye, esithi, Aa! Kumkani
wamaYuda!

30Amtshicela, ayithabatha ingcongolo, ambetha entloko.

31Athi, akuba edlale ngaye, amhluba ingubo leyo, amambathisa kwaezakhe iingubo;
amrhola, aya kumbethelela emnqamlezweni.

Ukubethelelwa emnqamlezweni

(UMarko 15:21-41; uLuka 23:26-49; uYoh. 19:17-37)

32Athe ke ekuphumeni, afumana umntu waseKirene, ogama linguSimon; anyanzela
lowo ukuba awuthwale umnqamlezo wakhe.

33Athi akufika ndaweni kuthiwa yiGologota, oko kukuthi, yindawo yokakayi,

34amnika iviniga iphithikezwe nenyongo, ukuba asele; wathi akuyiva, akavuma
ukuyisela.

35Athi ke, akumbethelela emnqamlezweni, abelana ngeengubo zakhe, esenza
amaqashiso; ukuze kuzaliseke okwathethwa ngumprofeti, esithi, Babelana
ngeengubo zam, benza amaqashiso ngesambatho sam. (INdum 22:18)

36Ahlala phantsi, amlinda khona apho.

37Babeka ngaphezu kwentloko yakhe ityala lakhe libhaliwe, kwathiwa, LO NGUYESU
UKUMKANI WAMAYUDA.

38Kwaza kwabethelelwa naye eminqamlezweni izihange ezibini, esinye ngasekunene,
nesinye ngasekhohlo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Bamnyelisa ke bona abadlulayo, behlunguzela iintloko zabo,

40besitsho ukuthi, Wena uchitha itempile, uyakhe ngeentsuku ezintathu, zisindise; ukuba unguNyana kaThixo, yihla emnqamlezweni.

41Ngokukwanjalo ke nababingeleli abakhulu, bedlala ngaye, benabo ababhali namadoda amakhulu, bathi,

42Abanye wabasindisa; yena ngokwakhe akanakuzisindisa. Ukuba únguKumkani kaSirayeli, makehle kalokunje emnqamlezweni;

43sokholwa nguye; ukholose ngoThixo, makamhlangule kalokunje, ukuba uyamthanda; kuba wathi, NdinguNyana kaThixo.

44Zaye ke nezihange, ezibe zibethelelwe eminqamlezweni naye, zimngcikiva kwangokunjalo.

45Kuthe ke, kuthabathele kwilixa lesithandathu, kwada kwesa kwilixa lesithoba, kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba.

46Ke kaloku, malunga nelixa lesithoba, wadanduluka uYesu ngezwi elikhulu, esithi, Eli! Eli! Lama sabhaktani! Oko kukuthi, Thixo wam! Thixo wam! Undishiye ngani na?

47Inxenye ke yababemi khona, yakuva, yathi, Lo mntu ubiza uEliya.

48Wesuka wagidima kwaoko omnye kubo, wathabatha imfunxa, wayizalisa ngeviniga, wayifaka engcongolweni, wamseza.

49Bathe ke bona abanye, Khawuyeke, sibone ukuba uEliya uza kumsindisa na.

50Uthe ke uYesu, ephinde wadanduluka ngezwi elikhulu, wawukhupha umoya wakhe.

51Lasuka ikhuselo lengcwele lakrazuka kubini, lithabathele phezulu lada lesa phantsi; umhlaba wanyikima, namawa acandeka,

52namangcwaba avuleka, zathi izidumbu ezininzi zabangcwele ababelele zavuka;

53baphuma emangcwabeni emveni kokuvuka kwakhe, bangena kuwo umzi ongcwele, babonakala kuninzi.

54Ke kaloku umthetheli-khulu, nabo babelinda uYesu naye, bakubona ukunyikima oko, nezo zinto zenzekileyo, boyika kakhulu, besithi, Inyaniso, lo ebenguNyana kaThixo.

55Kwaye kukho ke khona abafazi abaninzi, bekhangele bemgama, bona babemlandele uYesu kwakwelaseGalili, bemlungiselela;

56ekwakukho phakathi kwabo uMariya waseMagadala, noMariya unina wooYakobi noYose, kwanonina woonyana bakaZebhedi.

Umngcwabo kaYesu

© 1975 Bible Society of South Africa.

(UMarko 15:42-47; uLuka 23:50-56; uYoh. 19:38-42)

57Kwathi ke kwakuhlwa, kweza umntu osisityebi waseArimati, ogama linguYosefu, owayengumfundi kaYesu naye.

58Yena lowo waya kuPilato, wacela umzimba kaYesu. Waza uPilato wathi makawunikelwe umzimba.

59Ewuthabathile ke umzimba uYosefu, wawusongela kwilinen entle emhlophe.

60Wawubeka kwelakhe ingcwaba elitsha, abelixhole eweni; waqengqela ilitye elikhulu emnyango wengcwaba elo, wemka.

61Baye ke bekhona apho uMariya waseMagadala nomnye uMariya, behleli phantsi malunga nengcwaba.

62Ke kaloku ngengomso, eliyimini esemva kwaleyo yokulungiselela, bahlanganisana ababingeleli abakhulu nabaFarisi kuPilato,

63besithi, Nkosi, sikhumbule ukuba umlahlekisi lowa wathi esahleli, Emveni kweentsuku ezintathu, ndiya kuvuka.

64Yitsho ngoko linqatyiswe ingcwaba, kude kube lusuku lwesithathu, hleze abafundi bakhe beze ebusuku, bambé, bathi ke ebantwini, Uvukile kwabafileyo; luze olokugqibela ulahlekiso lube lubi kunolokuqala.

65Wathi ke uPilato kubo, Ninabo abalindi; hambani niye kunqabisa ngoko nazi ngako.

66Baya ke bona balinqabisa ingcwaba, ngokulitywina ilitye, bekunye nabalindi.

UMateyu 28

Uvuko lukaYesu

(UMarko 16:1-8; uLuka 24:1-12; uYoh. 20:1-18)

1Ke kaloku, ekupheleni kwesabatha, ekuseni ngolokuqala usuku lweveki, kweza uMariya waseMagadala nomnye uMariya, beza kulikhangela ingcwaba.

2Kwasuka kwabakho unyikimo olukhulu; kuba kwakuhle isithunywa seNkosi emazulwini, seza saliqengqa ilitye lesuka emnyango, sahlala phezu kwalo.

3Ukubonakala kwaso ke kwaye kunjengombane, nesambatho saso saye simhlophe njengekhephu.

4Ngokoyika sona ke bangcangcazela abalindi, baba njengabafileyo.

5Saphendula ke isithunywa sathi kubafazi abo, Musani ukoyika nina; kuba ndiyazi ukuba nifuna uYesu, lowo ubebethelelwe emnqamlezweni.

6Akakho apha; kuba uvukile, njengoko watshoyo; yizani niyibone indawo apho ibilele khona iNkosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Yiyani ngokukhawuleza, nibaxelele abafundi bakhe ukuthi uvukile kwabafileyo;
niyabona, uyanandulela ukuya kwelaseGalili; nombona khona apho. Yabonani,
ndinixelele.

8Bephume kamsinya engcwabeni, benokoyika nokuvuya okukhulu, bagidima baya
kubabikela abafundi bakhe.

9Ke kaloku, xa baya kubabikela abafundi bakhe, wathi thu uYesu, wabahlangabeza,
esithi, Vuyani. Beza ke bambamba ngeenyawo, baqubuda kuye.

10Aze athi uYesu kubo, Musani ukoyika; yiyani kubatyela abazalwana bam ukuba
baye eGalili; bondibona khona apho.

Ibali lobuxoki elalisasazwa phakathi kwamaYuda

11Bakubon' ukuba bayaya ke, kwesuka kwafika abathile babalindi kuwo umzi,
bababikela ababingeleli abakhulu zonke izinto ezenzekileyo.

12Bathe bona, bakùhlanganisana namadoda amakhulu, bakùbhunga, bawanika imali
eninzi amasoldati lawo,

13besithi, Ze nithi, Abafundi bakhe beza ngobusuku, bamba silele.

14Nokuba ithe yavakala le nto kwirhuluneli, thina soyithomalalisa, senze ningabi
naxhala nina.

15Ayithabatha ke imali leyo, enza njengoko abexelelwe ngako. Laza elo zwi laduma
kumaYuda, kwada kwanamhlanje.

UYesu uyazibonakalisa kubafundi kwelaseGalili

16Bahamba ke abafundi abalishumi elinamnye, baya kwelaseGalili, kuloo ntaba
wayebayalele yona uYesu.

17Baza bakumbona baqubuda kuye; ke inxenye yathandabuza.

18Weza uYesu wathetha kubo, esithi, Linikwe mna lonke igunya emazulwini
nasehlabathini.

19Hambani ngoko niye kuzenza abafundi zonke iintlanga, nibabhaptizela egameni
loYise, loNyana, loMoya oyiNgcwele;

20nibafundisa ukuba bazigcine zonke izinto endiniwisele umthetho ngazo. Niyabona,
mna ndinani yonke imihla, kude kube sekuphelisweni kwephakade eli. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UMarko

UMarko 1

UYohane umbhaptizi

(UMat. 3:1-12)

1Ukuqaleka kwayo ivangeli kaYesu Kristu, uNyana kaThixo.

2Njengoko kubhaliweyo ebaprofetini, kwathiwa, Yabona, mna ndithuma umthunywa wam ngaphambi kobuso bakho, Oya kuyilungisa indlela yakho phambi kwakho. (UMal. 3:1)

3Izwi lodandulukayo entlango, lisithi, Wulungiseni umendo weNkosi; Zityenenezeni iindlela zayo! (UIsaya 40:3)

4Kwaye kukho uYohane, ebhaptiza entlango, evakalisa ubhaptizo lwenguquko, ukuze kuxolelwe izono.

5Laye liphuma lisiya kuye lonke ilizwe lakwaYuda nabaseYerusalem; baye bonke bebhaptizwa nguye eYordan emlanjeni, bezixela izono zabo.

6Waye ke kaloku uYohane ambethe uboya benkamela, enombhinqo wentlonze esinqeni sakhe, abe ke esidla iinkumbi nobusi basendle.

7Wayememeza esithi, Emva kwam kuza lowo unamandla kunam, endingafanelekileyo ukuba ndithobe phantsi, ndiwuthukulule nomtya weembadada zakhe.

8Mna okunene ndanibhaptiza ngamanzi, ke yena uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele.

Ukubhaptizwa nokuhendwa kukaYesu

(UMat. 3:13-17; 4:1-11)

9Kwathi ngaloo mihla kweza uYesu, evela eNazarete yelaseGalili, wabhaptizwa nguYohane eYordan apho.

10Uthe kwaoko, akuba enyuka ephuma emanzini, walibona izulu likrazulwe, noMoya enjengehobe, esihla phezu kwakhe.

11Kwabakho nezwi eliphuma ezulwini, lisithi, Wena unguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguye.

12Uthi kwaoko uMoya amkhuphele entlango.

13Waye esentlango apho iintsuku ezimashumi mané, ehendwa nguSathana; waye endawonye namarhamncwa; zaye izithunywa zezulu zimlungisesela.

Ukubizwa kwabafundi bokuqala

(UMat. 4:12-25)

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ke kaloku emveni kokufakwa kukaYohane entolongweni, weza uYesu kwelaseGalili,
evakalisa iindaba ezilungileyo zobukumkani bukaThixo, esithi,

15Lizalisekile ixesha, nobukumkani bukaThixo busondele; guqukani, nikholwe kuzo
iindaba ezilungileyo ezi.

16Uthe ke, ehamba ngaselwandle lwaseGalili, wabona uSimon, noAndreya
umzalwana wakhe, bephosa umnatha elwandle; ngokuba babengababambisi
beentlanzi.

17Wathi kubo uYesu, Yizani apha nindilandele; ndonenza nibe ngababambisi
babantu.

18Bayishiya kwaoko iminatha yabo, bamlandela.

19Uhambele phambili kancinane esuka apho, wabona uYakobi, lo kaZebhedi,
noYohane, umzalwana wakhe, besemkhombeni wabo, beyilungisa iminatha yabo.

20Wababiza kwaoko; bamshiya uyise uZebhedi emkhombeni enabaqeshwa, besuka
bamlandela.

Ukuphiliswa konomoya ongcolileyo eKapernahum
(ULuka 4:31-37)

21Bangena eKapernahum. Engene kwaoko ngesabatha endlwini yesikhungu,
wafundisa.

22Bakhwankqiswa kukufundisa kwakhe; ngokuba ebebafundisa njengonegunya,
engafundisi njengabo ababhali.

23Kwaye kukho endlwini yabo yesikhungu umntu onomoya ongcolileyo; wakhala,
esithi, Yoo!

24Yini na enathi nawe, Yesu waseNazarete? Ùzé kusitshabalalisa na? Ndiyakwazi
wena, lowo unguye; ungoyiNgcwele kaThixo.

25Wawukhalimela uYesu, esithi, Yithi tu, uphume kuye.

26Uthe umoya ongcolileyo wambetha wee xhwenene; wakhala ngezwi elikhulu,
waphuma kuye.

27Baqhiphuka umbilini bonke, ngokokude babuzisane, besithi, Yintoni na le nto? Le
mfundiso intsha yiyiphi na, le nto noomoya abangcolileyo aba abathethela ngegunya,
bamlulamele?

28Lwaphuma ke kwaoko udumo lwakhe; lwaya kuwo wonke ummandla welaseGalili.

Ukuphiliswa komkhwekazi kaPetros nabanye abaninzi
(UMat. 8:14-17)

29Kwaoko, bakuphuma endlwini yesikhungu, bangena endlwini kaSimon noAndreya,
benoYakobi noYohane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Ke kaloku umkhwekazi kaSimon wayelele, esifa yicesina; bamxelela ngaye kwaoko.

31Weza ke kuye, wamvusa embambe ngesandla; yamyeka kwaoko icesina, wabalungiselela.

32Ke kaloku, kwakuhlwa, xa litshonayo ilanga, bazisa kuye bonke ababesifa, nababephethwe ziidemon.

33Waye umzi wonke uhlanganisene ndawonye emnyango apho.

34Waphilisa babaninzi ababesifa zizifo ngezifo; wakhupha needemon ezininzi; waye engazivumeli iidemon ukuba zithethe, kuba bezimazi.

UYesu uya kuthandaza ngasese

35Uthe kusasa, kusemnyama kakhulu, wavuka, waphuma waya endaweni eyintlango, wathandaza khona apho.

36Bamphuthuma ooSimon nabo babenaye.

37Bemfumene bathi kuye, Bonke bayakufuna.

38Athi kubo, Masihambe siye emizini ekufuphi, ukuze nakhona ndivakalise iindaba ezilungileyo, kuba ndiphumele oko.

39Wayevakalisa ke ezindlwini zabo zesikhungu kulo lonke elaseGalili, ezikhupha needemon.

Ukuphiliswa koneqhenqa

(UMat. 8:1-4)

40Kweza kuye oneqhenqa, embongoza, esiwa ngamadolo phambi kwakhe, esithi kuye, Ukuba uyathanda, unako ukundihlambulula.

41UYesu, esikwe yimfesane ke, wasolula isandla, wamchukumisa, wathi kuye, Ndiyathanda; hlambuluka.

42Akutsho, lemka kwaoko kuye iqhenqa, wahlambuluka.

43Akuba emyalile kalukhuni, wamkhupha kwaoko.

44Athi kuye, Lumka ungaxeleli bani nento le; hamba uye kuzibonisa kumbingeleli, usondeze ngenxa yokuhlanjululwa kwakho ezo zinto wamisa zona uMoses, zibe bubungqina kubo.

45Ke yena, akuphuma, waqala ukuyivakalisa kakhulu nokuyibhengeza loo ndawo, ngokokude angabi saba nako uYesu ukungena mzini ekuhléni; waba ngaphandle ezindaweni eziziintlango; babesithi beze kuye bevela ngeenxa zonke.

UMarko 2

Ukuphiliswa konedumbe

(UMat. 9:1-8)

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Kwakuba ntsuku, wabuya wangena eKapernahum; kwavakala ukuba usekhaya,

2Kwaoko kwahlanganisana into eninzi yabantu, ngokokude kungabi sabakho kukhwelelana, nakule mimandla isemnyango; wayelithetha ke kubo ilizwi.

3Kuthi kufike kuye abantu bezisa onedumbe, ethwelwe ngabané.

4Bakuba bengenakusondela kuye ngenxa yendimbane, banqika entungo apho abekhona; bakuba begqobhozile, baluhlisa ukhuko abelele kulo lowo unedumbe.

5Akulubona ke uYesu ukholo lwabo, wathi konedumbe, Mntwana wam, uzixolelwe izono zakho.

6Kwaye ke kukho apho ababhali abathile behleli, becamanga ezintliziyweni zabo, besithi,

7Yini na ukuba lo enjenje ukuthetha izinyeliso? Ngubani na onako ukuxolela izono, mnye kwaphela, nguThixo?

8Eqiqe kwaoko uYesu ngomoya wakhe, ukuba benjenjalo ukucamanga ngaphakathi kwabo, wathi kubo, Yini na ukuba nicamange ezi zinto ezintliziyweni zenu?

9Okhona kulula kukuphi na: kukho ukuthi konedumbe, Ùzixolelwe izono; kukho nokuthi, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uhambe?

10Ke ukuze nazi ukuba unalo igunya uNyana woMntu lokuxolela izono emhlabeni apha (uthi konedumbe),

11Ndithi kuwe, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uye endlwini yakho.

12Wavuka kwaoko, waluthabatha ukhuko, waphuma phambi kwabo bonke, ngokokude bathi nqa bonke, bamzukise uThixo, besithi, Asizanga sikubone okunje.

Ukubizwa kukaLevi

(UMat. 9:9-13)

13Wabuya waphuma waya ngaselwandle, saye sonke isihlwele sisiza kuye; wayebafundisa.

14Wathi edlula, wabona uLevi, lo ka-Alifeyu, ehleli endaweni yerhafu; athi kuye, Ndilandele. Wesuka wamlandela.

15Kwathi ekuhlaleni kwakhe ngasesithebeni endlwini yakhe, kwahlala nento eninzi yababuthi berhafu naboni ndawonye noYesu nabafundi bakhe; kuba babebaninzi, baye ke bemlandela.

16Baye ababhali kwanabaFarisi, bakumbona esidla ndawonye nababuthi berhafu naboni, besithi kubafundi bakhe. Yini na ukuba adle asele nababuthi berhafu naboni?

17Ekuvile ke oko uYesu, wathi kubo, Akufuneki gqirha kwabaphilileyo lifunekakwabafayo. Andizé kubiza malungisa, ndizé kubiza aboni, ukuba baguquke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukuzila ukudla
(UMat. 9:14-17)

18Baye abafundi bakaYohane nababaFarisi bezila ukudla; beze bathi kuye, Kungani na
ukuba abafundi bakaYohane nababaFarisi bazile ukudla, kanti ke abakho abafundi
abakuzili bona?

19Wathi uYesu kubo, Banako yini na abegumbi lomtshakazi ukuzila ukudla, xa anabo
umyeni? Lo gama wonke asekubo umyeni, abanako ukuzila ukudla.

20Ke kofika mihla awoza asuswe kubo umyeni; baya kwandula ke ukuzila ngaloo
mihla.

21Akukho uthungela isiziba somchako omtsha engutyeni endala; okanye ke eso
sifakiweyo, sitsha, sokrazula kuyo endala, sibe sibi ngokunye isikroba.

22Kanjalo akukho utha iwayini entsha ezintsubeni ezindala; okanye iwayini, leyo
intsha, yozigqabhuza iintsuba, iphalale iwayini, zitshabalale neentsuba; yona iwayini
entsha imelwe kukuthiwa ezintsubeni ezintsha.

Imfundiso kaYesu ngesabatha
(UMat. 12:1-8)

23Kwathi ehamba ecanda emasimini ngesabatha, baqala abafundi bakhe ukuhamba
besikha izikhwebu.

24Baye besithi kuye abaFarisi, Khangela, yini na ukuba benze ngemini yesabatha oko
kungavumelekileyo?

25Wathi yena kubo, Anizanga niyilese na into awayenzayo uDavide, oko wayeswele,
elambile nokulamba, yena nabo babenaye?

26Okokuba wangena endlwini kaThixo ngexesha lika-Abhiyatare umbingeleli
omkhulu, wazidla izonka ezibekwe phambi koThixo, ezo kungavumelekileyo ukuba
zidliwe ngabo bangebabingeleli, wanika nabo babenaye?

27Wayesithi kubo, Isabatha le yabakho ngenxa yomntu, asingumntu owabakhoyo
ngenxa yesabatha.

28Ngoko ke uNyana woMntu lo uyiNkosi yayo nesabatha.

UMarko 3

Ukuphiliswa kowome isandla
(UMat. 12:9-14)

1Wabuya wangena endlwini yesikhungu. Kwaye kukho apho umntu onesandla
esomileyo.

2Baye bemlalele, ukuba womphilisa na ngesabatha, ukuze bammangalele.

3Athi kuloo mntu unesandla esomileyo, Phakama uze phakathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4Athi kubo, Okuvumelekileyo ngesabatha kukwenza okulungileyo, kukwenza okubi,
kusini na? Kukusindisa, kukubulala, kusini na? Ke bahlala bathi tu.

5Akuba ebasingasingile ngengqumbo, ebuhlungu ngenxa yokuqaqadeka kwentliziyo
yabo, uthi kumntu lowo, Solule isandla sakho. Wasolula, sabuya saphila ke isandla
sakhe, saba kwanjengesinye.

6Baphuma abaFarisi, benza kwaoko ibhunga namaHerode ngaye, lokuba
bamtshabalalise.

7Wemka uYesu nabafundi bakhe, waya elwandle; yamlandela inkitha eninzi, ivela
kwelaseGalili, nakwelakwaYuda, naseYerusalem, nakwelakwaIdume,

8naphesheya kweYordan; nabo bangaseTire nabaseTsidon, inkitha eninzi; bathi,
bakuva izinto ezinkulu abezenza, beza kuye.

9Wathi kubafundi bakhe, umkhonjana mawuhlale umlindile ngenxa yezihlwele,
ukuze bangamxini.

10Kuba waphilisa babaninzi, ngokokude bathi ngunga phezu kwakhe, ukuze
bamchukumise bonke ababenezibetho;

11nabo oomoya abangcolileyo babesithi, xa sukuba bembona, bawe phantsi kuye,
bakhale, besithi, Ùnguye wena uNyana kaThixo.

12Wayebakhalimela kakhulu ukuba bangamtyhili.

Ukubizwa kwabalishumi elinababini
(UMat. 10:1-4)

13Uthi ke anyuke intaba, abizele kuye abo abethanda ukubabiza yena ngokwakhe;
besuka beza kuye.

14Wadala balishumi elinababini, ukuze babe naye, nokuze abathume baye
kuvakalisa ubukumkani bukaThixo,

15babe negunya lokuziphilisa izifo, nelokuzikhupha iidemon.

16YanguSimon, awamthiya igama elinguPetros;

17yanguYakobi lo kaZebhedi, noYohane umzalwana kaYakobi, awathi bona wabathiya
amagama okuba ngooBhowanerges, oko kukuthi, ngabeendudumo;

18yanguAndreya, noFilipu, noBhartolomeyu, noMateyu, noTomas, noYakobi, lo ka-
Alifeyu, noTadeyu, noSimon Kanan,

19noYuda Sikariyoti, owamngcatshayo nokumngcatsha.

Ababhali banyelisa uThixo
(UMat. 12:22-32)

20Bathi beze ekhaya; kubuye kubuthelane izihlwele, ngokokude bangabi nako
nokudla isonka.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

21Bevile abakowabo, baphuma beya kumbamba; kuba babesithi, Úyageza.

22Baye bona ababhali, ababehle bevela eYerusalem, besithi, ÚnoBhelezebhule; besithi, Iidemon ezi uzikhupha ngaye umphathi weedemon.

23Uthe ebabizele kuye, wathetha nabo ngemizekeliso, esithi, Angáthini na uSathana ukukhupha uSathana?

24Nobukumkani, ukuba buthe bahlulelana bodwa, abunako ukuma obo bukumkani;

25nendlu, ukuba ithe yahlulelana yodwa, ayinako ukuma loo ndlu;

26noSathana, ukuba uthe wazichasa ngokwakhe, wahlulelana yedwa, akanako ukuma, uphelile.

27Akukho unako ukuthi impahla yegorha angene endlwini yalo ayiphange, ukuba akathanga tanci alibophe igorha elo, andule ukuyiphanga indlu yalo.

28Inene ndithi kuni, Zonke izono baya kuzixolelwa oonyana babantu, kwanezinyeliso abasukuba benyelisa ngazo;

29ke yena othe wanyelisa uMoya oyiNgewele, akanako ukuxolelwa naphakade; unetyala lokugwetywa okungunaphakade.

30Watsho kuba besithi, Únomoya ongcolileyo.

Izizalwane zenene zikaYesu

(UMat. 12:46-50)

31Bafika ke kaloku abazalwana bakhe nonina; bathi, bemi ngaphandle, bathumela kuye bembiza.

32Zaye izihlwele zihleli zimphahlile; bathi kuye, Nanku unyoko nabazalwana bakho ngaphandle, bekufuna.

33Wabaphendula esithi, Ngubani na uma? Ngoobani na nabazalwana bam?

34Akuba ebasingasingile ngeenxa zonke ababehleli bemphahlile, uthi, Nanku uma nabazalwana bam.

35Kuba othe wakwenza ukuthanda kukaThixo, lowo ngumzalwana wam, nodade wethu, noma.

UMarko 4

Umzekeliso womhlwayeli

(UMat. 13:1-23)

1Wabuya waqala ukufundisa ngaselwandle. Kwahlananisana kuye isihlwele esikhulu, ngokokude aye kungena emkhombeni, ahlale elwandle yena; sabe sonke isihlwele sisemhlabeni, sibheké elwandle apho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[2]Wayebafundisa iindawo ezininzi ngemizekeliso. Ubesithi kubo ekubafundiseni kwakhe, Phulaphulani;

[3]yabonani, umhlwayeli waphuma waya kuhlwayela;

[4]kwathi ekuhlwayeleni kwakhe, inxalenye yembewu yawa ngasendleleni, zeza iintaka zezulu zayidla zayigqiba.

[5]Enye yawa endaweni elulwalwa, apho ibingenamhlaba mninzi; yantshula ke kwaoko, ngenxa yokuba ibingenabunzulu bamhlaba;

[6]ithe ke, lakuphuma ilanga, yatsha, yathi ngenxa yokuba ingenangcambu, yoma kwaphela.

[7]Yimbi yawa emithaneni enameva; yakhula imithana enameva yayiminxa; ayanika siqhamo.

[8]Yimbi yawa kuwo wona umhlaba omhle, yanika isiqhamo esakhulayo sachuma; yathwala amashumi amathathu enye, namashumi amathandathu enye, nekhulu enye.

[9]Wathi kubo, Lowo uneendlebe zokuva makeve.

[10]Ke kaloku, xa abeyedwa, abo babemphahlile, ndawonye nabalishumi elinababini, bambuza umzekeliso lowo.

[11]Wathi kubo, Nikuphiwe nina ukuyazi imfihlelo yobukumkani bukaThixo; ke kwabo bangaphandle zonke izinto ezi zibakho ngemizekeliso;

[12]ukuze bebona nje, babone bangaqiqi; besiva nje, beve bangaqondi; hleze babuye, zebaxolelwe izono zabo.

[13]Athi kubo, Aniwazi na lo mzekeliso? Nòthini na ke ukuyazi imizekeliso yonke?

[14]Umhlwayeli lo uhlwayela ilizwi.

[15]Abo ke bangasendleni, apho ilizwi lihlwayelwa khona, ngaba kuthi, xa bathe beva, afike kwaoko uSathana, alithabathe ilizwi elihlwayelweyo ezintliziyweni zabo.

[16]Ngokunjalo abo bahlwayelwayo ezindaweni ezilulwalwa ngabathi, xa bathe baliva ilizwi, balamkele kwaoko bevuya;

[17]babe bengenangcambu ngaphakathi kwabo, beme umzuzwana kodwa; bathi kamva, kwakuhla imbandezelo, nokuba yintshutshiso, ngenxa yelizwi, bakhutyekiswe kwaoko.

[18]Abo bahlwayelwayo emithaneni enameva ngaba, bathi balive ilizwi;

[19]aze amaxhala eli phakade, nokulukuhla kobutyebi, neenkanuko zezinye izinto, zingène ziliminxe ilizwi, lisuke lingabi nasiqhamo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Abo bahlwayelweyo kuwo umhlaba omhle ngaba, basakuthi balive ilizwi, balamkele, baxakathe isiqhamo, omnye amashumi amathathu, omnye amashumi amathandathu, nomnye ikhulu.

Umzekeliso wesibane
(ULuk. 8:16-18)

21Wayesithi kubo, Isibane esi sikha siziswe ukuze sibekwe ngaphantsi kwesitya yini na, nokuba kuphantsi kwesingqengqelo? Asiziswa na ukuze sibekwe esiphathweni saso?

22Kuba akukho nto ifihlakeleyo ingayi kubonakaliswa; kananjalo akubangakho nto ifihliweyo ingàfihlelwa ukuba ize ekuhléni.

23Ukuba ubani uneendlebe zokuva, makeve.

24Wayesithi kubo, Yilumkeleni into eniyivayo; umlinganiselo enilinganisela ngawo, niya kulinganiselwa ngawo nani, kongezwe kuni nina nivayo.

25Kuba osukuba enako uya kunikwa, nongenako uya kuhluthwa kwanoko anako.

Umzekeliso wembewu

26Wayesithi, Ubukumkani bukaThixo bunjengokuba abengathi umntu aphose imbewu emhlabeni;

27aze alale, avuke, ubusuku nemini, ibe imbewu intshula ikhula ngohlobo angalwaziyo.

28Kuba umhlaba uvelisa iziqhamo ngokwawo, kuqala ibe likhaba, ize ibe sisikhwebu, ize ibe yingqolowa ezalisekileyo esikhwebini;

29athi ke, xa sithe savuthwa isiqhamo, alifake kwaoko irhengqa, ngokuba kusekusondele ukuvuna.

Umzekeliso wokhozo lwemostade
(UMat. 13:31,32)

30Wayesithi, Siya kubufanekisa nantoni na ubukumkani bukaThixo? Siya kubuzekelisa ngamzekeliso mni na?

31Bunjengokhozo lwemostade; lona luthi, xa sukuba luhlwayelwa emhlabeni, lube lulolunccinane kuzo zonke iimbewu ezisemhlabeni;

32luthi ke, xa luthe lwahlwayelwa, lukhule lube lukhulu kuyo yonke imifuno, lwenze amasebe amakhulu, ngokokude iintaka zezulu zibe nako ukuhlala phantsi komthunzi walo.

33Wayelithetha kubo ilizwi ngemizekeliso emininzi enjalo, njengoko baye benako ukuva.

34Ubengathethi ke kubo kungengamzekeliso; ke ubesithi, bakuba bodwa, abacombululele iindawo zonke abafundi bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYesu uzolisa uqhwithela
(UMat. 8:23-27)

35Athi kubo kwangaloo mini, kwakuhlwa, Masiwele siye ngaphesheya.

36Besindulule isihlwele, bamthabatha esemkhombeni njalo; kwaye ke kukho eminye imikhonjana inaye.

37Kwabakho uqhwithela olukhulu lomoya; aye ke amaza ephoseka emkhombeni, abetha wafuna ukuzala kwangoku.

38Waye yena esesinqeni somkhombe, elele ubuthongo phezu komqamelo; bamvuse, bathi kuye, Mfundisi, akukhathali na, sitshabalala nje?

39Wavuka, wawukhalimela umoya, wathi kulo ulwandle, Hlala uthi tu, uthi cwaka! Wadamba umoya, kwabakho ukuzola okukhulu.

40Wathi kubo, Yini na ukuba nibe nje, ukuba ngamagwala? Kutheni na, le nto ningenalukholo?

41Boyika ngoloyiko olukhulu, batshono ukuthi, Ngubani na ke lo, le nto alulanyelwa nangumoya nalulwandle?

UMarko 5

Ukuphiliswa kowaseGadara obephethwe ziidemon
(UMat. 8:28-34)

1Bafika phesheya kolwandle kummandla wabaseGadara.

2Akuba ephumile emkhombeni, wahlangatyezwa kwaoko ngumntu onomoya ongcolileyo,

3ephuma emangcwabeni, obehlala emangcwabeni apho. Kwaye kungekho bani unako ukumbopha nangemixokelelwane;

4ngenxa yokuba wayebotshwe futhi ngamakhamandela nangemixokelelwane, asuke ayijace yena imixokelelwane, awakroboze namakhamandela; kwaye kungekho bani unamandla okumdambisa.

5Ube ehlala ubusuku nemini esezintabeni nasemangcwabeni, ekhala, ezijeca ngamatye.

6Uthe ke akumbona uYesu ekude, wagidima, waya waqubuda kuye,

7wakhala ngezwi elikhulu, wathi, Yini na enam nawe, Yesu, Nyana kaThixo Osenyangweni? Ndiya kufungisa uThixo ukuba ungandithuthumbisi.

8Kuba ebethe kuye, Phuma emntwini apho, moyandini ungcolileyo.

9Wayembuza esithi, Ùngubani na wena igama? Waphendula esithi, NguMkhosi igama lam; kuba sibaninzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Waye ke embongoza kakhulu ukuba angabandululi bemke kwelo zwe.

11Bekukho ke apho ngasezintabeni ugxuba olukhulu lweehagu lusidla.

12Zambongoza zonke iidemon, zisithi, Sithumele ezihagwini, ukuze singene kuzo.

13Wazivumela kwaoko uYesu. Baphuma ke oomoya abangcolileyo, baya kungena ezihagwini; lwaza ugxuba lwaphaphatheka, lwehla eweni, lwela elwandle; zaye ke iihagu ezo ngathi zimawaka mabini; zarhaxwa elwandle apho.

14Bathe ke abo babezalusa iihagu basaba, babika ekhaya nasemaphandleni. Baphuma ke baya kuyibona loo nto ihlileyo, ukuba iyintoni na.

15Bafíke kuYesu, bambone obephethwe ziidemon, lowo ke wayenomkhosi, ehleli, ambathisiwe, enengqondo ephilileyo; baza boyika.

16Abo babeyibonile le nto babacokisela, ukuba kuthekeni na kobephethwe ziidemon; kwanokweehagu.

17Baqala ukumbongoza ukuba emke emideni yabo.

18Akubon' ukuba ungene emkhombeni, wathi lowo ubephethwe ziidemon wambongoza ukuba abe naye.

19Kodwa uYesu akamvumelanga. Usuke wathi kuye, Hamba, uye endlwini yakho kwabakowenu, ubabikele oko zingako ukuba zinkulu izinto ekwenzele zona iNkosi, yaba nenceba engaka kuwe.

20Wemka, waqala ukuzivakalisa eDekapoli oko zingako ukuba zinkulu izinto uYesu abemenzele zona; bamangaliswa bonke.

Intombi kaYayiro. Intokazi eyayinethombo legazi

(UMat. 9:18-26)

21Ke kaloku, akubon' ukuba uYesu uwelile ngomkhombe, wabuya weza kwelinye icala, kwahlanganisana kuye isihlwele esikhulu; waye engaselwandle apho.

22Kubonakele kusiza omnye wakubaphathi bendlu yesikhungu, ogama linguYayiro; athi akumbona, awe ezinyaweni zakhe,

23ambongoze kunene, esithi, Intombazana yam isindekile; khawuze uzibeke izandla phezu kwayo, ukuze isindiswe; yophila.

24Wesuka wahamba naye; yaye indimbane enkulu imlandela, imxinile.

25Intokazi ethile, eyayinethombo legazi iminyaka elishumi elinamibini,

26eyayive ubunzima obuninzi kumagqirha amaninzi, eyayidleke konke ebinako, ingasizakali lutho, imana ukuba mandundu:

27yathi yakuva ngaye uYesu, yeza phakathi kwesihlwele ngasemva, yayichukumisa ingubo yakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

28kuba ibisithi, Ukuba ndithe ndachukumisa neengubo zakhe ezi, ndosindiswa.

29Watsha kwaoko umthombo wegazi layo; yeva emzimbeni wayo ukuba iphilisiwe kweso sibetho.

30UYesu, ethe kwaoko wawazi ngaphakathi kwakhe amandla aphume kuye, wajika esendimbaneni, wathi, Ngubani na ochukumise iingubo zam?

31Bathi kuye abafundi bakhe, Ubona nje ukuba isihlwele sikuxinile, utsho na ukuthi, Ngubani na ondichukumisileyo?

32Wasingasinga, ukuba ambone lowo uyenzileyo le nto.

33Ithe ke intokazi leyo, isoyika, igubha, ikwazi oko kwenzekileyo kuyo, yeza yawa phantsi kuye, yamxelela inyaniso yonke.

34Wathi ke kuyo, Ntombi yam, ukholo lwakho lukusindisile; hamba unoxolo, phila kweso sibetho sakho.

35Kuthi esathetha yena, kufike abakulomphathi wendlu yesikhungu, besithi, Intombi yakho ifile; usamkhathazelani na uMfundisi?

36Aze kwaoko uYesu, elivile elo zwi lithethwa, athi kumphathi wendlu yesikhungu, Musa ukoyika, kholwa kodwa wena.

37Akavumela mntu ukuba alandelane naye, kwakuphela nguPetros noYakobi noYohane, umzalwana kaYakobi.

38Afike endlwini yomphathi wendlu yesikhungu, abone isiphithiphithi, abalilayo nabenza isijwili esikhulu.

39Akungena uthi kubo, Yini na ukuba niphithizele nilile? Akafile umntwana, ulele.

40Basuka bamwa ngentsini. Athi akubakhupha bona bonke, amthabathe uyise womntwana nonina, nabo babenaye, angene apho wayelele khona umntwana.

41Ambambe ngesandla umntwana, athi kuye, Talita, kumi; oko kukuthi, ngentetho evakalayo, Ntombazana, ndithi kuwe, Vuka!

42Yavuka kwaoko intombazana leyo, yahambahamba; kuba ibiminyaka ilishumi elinamibini izelwe. Bathi nqa ngokuthi nqa okukhulu.

43Wabayala kakhulu ukuba kungàziwa mntu oku; watsho nokuthi, mayiphiwe idle.

UMarko 6

Uyadelwa uYesu eNazarete

(UMat. 13:43-56)

1Waphuma apho ke weza kwelakowabo; bamlandela abafundi bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Uthe kwakubakho isabatha, waqala ukufundisa endlwini yesikhungu; baza abaninzi,
bakuva, bakhwankqiswa, besithi, Lo uzizuze phi na ezi zinto? Bubulumko buni na obu
abunikiweyo, le nto nemisebenzi yamandla enjengale yenzekayo ngezandla zakhe?

3Lo akayiyo na ingcibi yokwakha, unyana kaMariya, umzalwana ke kaYakobi noYose
noYuda noSimon? Noodade babo àbakuthi apha na? Baye bekhubeka kuye.

4Wayesithi ke uYesu kubo, Umprofeti akasweli mbeko, kungaba kukowabo,
nakwizizalwana zakhe, nakokwabo.

5Wayengenako ukwenza namnye umsebenzi wamandla khona apho, kwakuphela
ukubeka izandla phezu kwemilwelwe embalwa, wayiphilisa.

6Wamangaliswa kukungakholwa kwabo. Wayeyihambahamba imizana ejikeleza,
efundisa.

Ukuthunywa kwabalishumi elinababini

(UMat. 10)

7Ubabizele kuye abalishumi elinababini, waqala ukubathuma ngababini, ngababini;
wayebanika igunya koomoya abangcolileyo;

8wabathethela ngelithi, mabangaphathi nto yandlela, ibe ngumsimelelo wodwa;
bangaphathi ngxowa, nasonka, namali embhinqweni;

9bathi kodwa banxibe izixathula; bangambathi neengubo zangaphantsi ngambini.

10Wayesithi kubo, Apho nithe nangena endlwini, hlalani khona nide nimke kuloo
ndawo.

11Abo sukuba benganamkeli, benganiva nokuniva, nakuphuma kuloo ndawo,
vuthululani uthuli oluphantsi kweenyawo zenu, kube bubungqina oko kubo. Inene
ndithi kuni, Koba nokunyamezeleka okweSodom nokweGomora ngomhla
womgwebo, kunokwaloo mzi.

12Baphuma bavakalisa ukuba mabaguquke abantu.

13Bakhupha needemon ezininzi, bayithambisa ngeoli imilwelwe emininzi, beyiphilisa.

Ukufa kukaYohane umbhaptizi

(UMat. 14:1-12)

14Ke kaloku wakúva oko ukumkani uHerode (kuba igama lakhe lalithe laduma);
wayesithi, Uvukile kwabafileyo uYohane umbhaptizi; ngenxa yoko le misebenzi
yamandla iyenzeka ngaye.

15Baye abanye besithi, NguEliya; baye ke abanye besithi, Ngumprofeti, nokuba ufana
nomnye wakubaprofeti.

16Ekuvile ke oko uHerode, wathi, Lo nguYohane, lowa ndamnqamla intloko mna;
uvukile kwabafileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kuba uHerode ngokwakhe wabethé wathuma, wambamba uYohane, wambopha entolongweni, ngenxa kaHerodiya, umfazi kaFilipu umzalwana wakhe; kuba ebemzekile.

18Kuba wayesithi uYohane kuHerode, Akuvumelekile ukuba ube nomfazi womzalwana wakho.

19Ke kaloku uHerodiya waba nenqala ngakuye, wafuna ukumbulala; kodwa akabanga nako;

20kuba uHerode wayemoyika uYohane, emazi ukuba uyindoda elilungisa, engcwele, wayemgcinile; wayesithi ke akumva, enze iindawo ezininzi, amve kamnandi.

21Kwathi, kwakufika umhla owamlungelayo uHerodiya, xeshikweni uHerode ngemini yokuzalwa kwakhe wayezenzela isidlo izidwangube zakhe, nabathetheliwaka, namanene elaseGalili,

22yakubon' ukuba ingene intombi kaHerodiya lowo, yangqungqa, yamkholisa uHerode nabo babehleli ndawonye naye. Wathi ukumkani kwintombazana leyo, Ndícele into osukuba uyithanda; ndokupha.

23Wayifungela ngelithi, Into othe wayicela kum ndokupha, kude kube kwisiqingatha sobukumkani bam.

24Iphumile ke yathi kunina, Ndicèle ntoni na? Wathi ke yena, Intloko kaYohane umbhaptizi.

25Yeza kungena kwaoko ngokungxama kuye ukumkani, yacela, isithi, Ndithanda ukuba undinike kalokunje ngesitya intloko kaYohane umbhaptizi.

26Waba buhlungu kakhulu ukumkani; noko, ngenxa yezifungo zakhe, nangenxa yabo babehleli ndawonye naye, akathandanga kuyilandulela.

27Uthe kwaoko ukumkani wasusa umsiki, wamthethela ngelithi, mayiziswe intloko yakhe. Wesuka waya ke lowo, wamnqumla intloko entolongweni.

28Wayizisa intloko yakhe ngesitya, wayinika intombazana leyo; yaza intombazana yayinika unina.

29Bekuvile oko abafundi bakhe, beza basithabatha isidumbu sakhe, basibeka engcwabeni.

Ukutyiswa kwesihlwele okokuqala

(UMat. 14:13-21)

30Bathi bahlanganisàna abapostile kuYesu, bambikela iinto zonke, ezo babezenzile, kwanezo babezifundisile.

31Wathi kubo, Yizani nina ngasese kwindawo eyintlango, niphumle kancinane; kuba bebaninzi abezayo nabemkayo; babengenalo ke nethutyana lokuba badle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Bemka ngomkhombe ngasese, baya kwindawo eyintlango.

33Isihlwele sababona bemka bathi abaninzi bamazi, babalekela khona ngeenyawo, bevela kuyo yonke imizi; babaphangela, bathuthelana kuye.

34Uthe ke akuphuma uYesu, wabona isihlwele esikhulu; wasikwa yimfesane ngabo, ngokuba babenjengezimvu ezingenamalusi; waqala ukubafundisa iindawo ezininzi.

35Kuthi kwakubon' ukuba seyihambile kakhulu imini, beze kuye abafundi bakhe, bathi, Le ndawo iyintlango, nemini seyihambile kakhulu;

36bándulule bemke, baye emaphandleni ajikelezileyo nasemizaneni, bazithengele izonka; kuba bengenanto bangayidlayo.

37Waphendula wathi kubo, Bapheni nina badle. Bathi kuye, Símke na siye kuthenga izonka ngeedenariyo ezimakhulu mabini, sibaphe badle?

38Úthi ke yena kubo, Izonka eninazo zingaphi na? Hambani niye kukhangela. Besazi, bathi, Zihlanu, neentlanzi ezimbini.

39Wabathethela ngelithi, mababangqengqise bonke, babe ziziqhu ngeziqhu engceni eluhlaza.

40Bahlala phantsi beziingcamba ngeengcamba ngamakhulu, nangamashumi ngamahlanu.

41Wazithabatha izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wathi ekhangele ezulwini wasikelela, waziqhekeza izonka, wanika abafundi bakhe, ukuba babeke phambi kwabo; wathi neentlanzi zombini wazabela bona bonke.

42Badla ke bonke bahlutha.

43Baza basusa izitya zizele ngamaqhekeza zalishumi elinazibini, basusa nakwiintlanzi.

44Baye abo babezidla izonka ezo bekumawaka omahlanu amadoda.

UYesu uhamba phezu kolwandle

(UMat. 14:22-36)

45Wabanyanzela kwaoko abafundi bakhe ukuba bangene emkhombeni, bamandulele baye ngaphesheya eBhetesayida, lo gama asindululayo isihlwele yena.

46Akuba ebulisene nabo, wemka waya kuthandaza entabeni.

47Ke kaloku, kwakuhlwa, umkhombe ubuphakathi elwandle, waye yena eyedwa emhlabeni.

48Wababona bebulaleka ekuqhubeni; kuba umoya ububavele ngaphambili. Athi ngolwesiné ulindo lobusuku eze kubo, ehamba phezu kolwandle; wanga uza kugqitha kubo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

49Bathi ke, bakumbona ehamba phezu kolwandle, baba ngumshologu, bakhala; kuba bonke bambona, bakhathazeka.

50Wathetha kwaoko nabo, wathi kubo, Yomelelani; ndim; musani ukoyika.

51Wenyuka waya kubo emkhombeni, wadamba umoya. Bathi nqa ngaphakathi kwabo ngokuncamisileyo kunene, bamangaliswa;

52kuba bengakuqondanga okwezonka; kuba intliziyo yabo yabe iqaqadekile.

53Bakuphumela, bafika ezweni laseGenesarete, batsalela elunxwemeni.

54Bakuphuma emkhombeni, bamazi kwaoko abantu;

55bawubaleka wonke loo mmandla, baqala ukubathwala ngeenkuko abafayo, bebása apho babemva ukuba ukhona.

56Nalapho sukuba ebengena khona, nokuba kusemzaneni, nokuba kusemzini, nokuba kusemaphandleni, babesithi, bababeke abafayo ezindaweni zembutho, bambongoze ukuba khe bachukumise intshinga yengubo yakhe. Baye ke besindiswa abasukuba bemchukumisa.

UMarko 7

Isithethe samanyange

(UMat. 15:1-20)

1Kwahlanganisana kuye abaFarisi, nabathile kubabhali, bevela eYerusalem;

2bathi, bakubona abathile kubafundi bakhe besidla isonka ngezandla eziziinqambi, oko kukuthi ngezingahlanjwanga, basuka basola.

3Kuba abaFarisi namaYuda onke abadli, ukuba abakhanga bazihlambe izandla kunene, bebambe isithethe samanyange.

4Nokuba bavela endaweni yembutho, abadli bengakhanga bahlambe; zikho nezinye izinto ezininzi, abazamkele ukuba bazibambe, ezinjengeentlambo zeendebe, neebhekile, nezitya zobhedu, nezingqengqelo.

5Bandula bambuza abaFarisi nababhali, besithi, Kungani na ukuba abafundi bakho bangahambi ngokwesithethe samanyange, le nto badla isonka ngezandla ezingahlanjwanga?

6Waphendula ke wathi kubo, Watyapha uIsaya ukuprofeta ngani, bahanahanisi, njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Aba bantu bandibeka ngomlomo, Kanti yona intliziyo yabo ikude lee kum.

7Bafumana ke bendihlonela, Befundisa iimfundiso eziyimithetho yabantu. (UIsaya 29:13)

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Kuba nithi, niwuyeka okaThixo umthetho, nibambe isithethe sabantu esinjengeentlambo zeebhekile neendebe; naye nizenza nezinye izinto ezininzi ezinjengezo.

9Wayesithi kubo, Natyapha kambe niwutshitshise umthetho kaThixo, ukuze nisigcine isithethe senu.

10Kuba uMoses wathi, Beka uyihlo nonyoko; wathi kanjalo, Omthethela kakubi uyise, nokuba ngunina, makafe ukufa;

11ke nina nithi, Ukuba umntu uthe kuyise nokuba kukunina, Ingumsondezo, oko kukuthi, ingumnikelo kuThixo into ongewuba uncedwa ngayo ndim, ukholisile;

12ningabi samvumela ukuba amenzele nto, nokuba nguyise nokuba ngunina;

13niliphanga igunya ilizwi likaThixo ngesithethe senu enasinikelayo, naye nizenza izinto ezininzi ezinjengezo.

14Wayibizela kuye yonke indimbane, wathi kubo, Phulaphulani kum nonke, niqonde:

15akukho nto ingaphandle komntu ethi ingena kuye ibe nako ukumenza inqambi; zizinto eziphumayo kuye ezimenza inqambi umntu.

16Ukuba ubani uneendlebe zokuva, makeve.

17Baye ke, xa ebengene endlwini, evela kuyo indimbane, bembuza abafundi bakhe umzekeliso lowo.

18Athi kubo, Nikwanje nani na ukuswela ingqondo? Aniqiqi na, ukuba konke okungaphandle, okuthi kungene emntwini, akunako ukumenza inqambi?

19Ngokuba akungeni khona entliziyweni yakhe; kungena esiswini; ize kuphume kuye endaweni esese, ezihlambululayo zonke izidlo.

20Wayesithi ke, Into ephumayo emntwini, yiyo leyo emenza inqambi umntu;

21kuba ngaphakathi, kuyo intliziyo yomntu, kuphuma izicamango ezibi, ookukrexeza, oomibulo, ookubulala,

22oobusela, ookubawa, okungendawo, iinkohliso, uburheletyo, umona, ukunyelisa, ukukratsha, ukuswela kuqonda;

23zonke ezi zinto zingendawo ziphuma ngaphakathi, zimenze inqambi umntu.

UmSirofenikikazi

(UMat. 15:21-28)

24Esukile apho ke, waya emideni yaseTire neyaseTsidon. Wangena endlwini, wanga akungàziwa mntu; akaba nako ukufihlakala noko.

25Kuba yathi yakumva intokazi entombazana ibinomoya ongcolileyo, yafika yawa ezinyaweni zakhe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

[26]yaye ke kaloku intokazi leyo ingumGrikekazi, umSirofenikikazi ngokuzalwa. Yacela kuye ukuba ayikhuphe idemon entombini yayo.

[27]Uthe ke uYesu kuyo, Khawuyeke kuhluthe abantwana kuqala; kuba akukuhle ukusithabatha isonka sabantwana, siphoswe ezinjaneni.

[28]Yaphendula ke yathi kuye, Ewe, Nkosi; kuba nazo iinjana phantsi kwetafile zidla kwiimvuthuluka zabantwana.

[29]Wathi kuyo, Ngenxa yelo zwi, hamba; idemon iphumile entombini yakho.

[30]Yesuka yaya endlwini yayo, yafumana iphumile idemon, intombi ilele phezu kwesingqengqelo.

Ukuphiliswa kwesithulu esithintithayo

[31]Uthe wabuya waphuma emideni yaseTire neyaseTsidon, weza kulwandle lwaseGalili, ecanda phakathi kwemida yaseDekapoli.

[32]Bazìsa ke isithulu esithintithayo, bambongoza ukuba abeke isandla phezu kwaso.

[33]Wasishenxisa esihlweleni sasodwa, wafaka iminwe yakhe ezindlebeni zaso, wathi etshicile,

[34]wachukumisa ulwimi lwaso, wakhangela ezulwini, wancwina, wathi kuso, Efata, oko kukuthi, Vuleka.

[35]Zavuleka kwaoko iindlebe zaso, zacombuluka iingqambu zolwimi lwaso, sathetha salungisa.

[36]Wabayala ukuba mabangaxeleli bani; kodwa okukhona wabayalayo, kwaba kukhona bakuvakalisa ngakumbi.

[37]Bakhwankqiswa ngokuncamisileyo kanye, besithi, Úzenze iinto zonke kakuhle; uzenza nezithulu zive, nabangenakuthetha bathethe.

UMarko 8

Ukutyiswa kwesihlwele okwesibini

(UMat. 15:29-39)

[1]Ngaloo mihla, sakuba sikhulu kakhulu isihlwele, singenanto singayidlayo, wababizela kuye abafundi bakhe uYesu, athi kubo,

[2]Ndisikwa yimfesane ngenxa yesihlwele; ngokuba sekuntsuku ntathu behleli nam, bengenanto bangayidlayo;

[3]ukuba ndithe ndabandulula baya emakhayeni abo bengadlanga, botyhafa endleleni; kuba inxenye yabo ivela kude.

[4]Bamphendula abafundi bakhe, besithi, Wókuzuza phi na umntu ukuba nako ukubahluthisa aba ngezonka, entlango apha?

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wayebabuza esithi, Zingaphi na izonka eninazo? Bathi ke bona, Zisixhenxe.

6Wasithethela isihlwele ukuba sihlale phantsi emhlabeni. Wazithabatha izonka zosixhenxe, wabulela, waqhekeza, wanika abafundi bakhe, ukuze babeke phambi kwabo; babeka ke phambi kwaso isihlwele.

7Baye beneentlanzana ezimbalwa; akuba esikelele, wathi mazibekwe phambi kwabo nazo.

8Badla ke bahlutha; basusa amaqhekeza aseleyo, iingobozi zasixhenxe.

9Ke kaloku abo babesidla ngathi babemawaka mané; wabandulula.

Igwele labaFarisi
(UMat. 16:1-12)

10Wangena kwaoko emkhombeni, nabafundi bakhe, weza emacaleni aseDalmanuta.

11Baphuma abaFarisi baqala ukubuzana naye, befuna kuye umqondiso ovela emazulwini, bemlinga.

12Encwinile kanzulu ngomoya wakhe, athi, Yini na ukuba esi sizukulwana singxamele umqondiso? Inene ndithi kuni, Unakanye ukuba sinikwe umqondiso esi sizukulwana.

13Wabashiya, wabuya wangena emkhombeni, wemka waya ngaphesheya.

14Baye belibele ukuphatha izonka; babengenanto banayo emkhombeni, ngaphandle kwesonka esinye.

15Wabayala esithi, Ligqaleni, nililumkele, igwele labaFarisi, negwele likaHerode.

16Baye becamanga besitshono ukuthi, Kungokuba singenazonka.

17Ekwazi oko uYesu, athi kubo, Yini na ukuba nicamange, ngokuba ningenazonka? Anikaqiqi na, anikaqondi na?

18Isaqaqadekile na intliziyo yenu? Ninamehlo nje, aniboni na? Nineendlebe nje, aniva na? Anikhumbuli na?

19Okuyá ndaqhekezela amawaka amahlanu izonka ezihlanu, zaye zingaphi na izitya ezizele ngamaqhekeza enazisusayo? Bathi kuye, Zazilishumi elinazibini.

20Okuyá ke ezisixhenxe ndaziqhekezela amawaka amané, zazingaphi na iingobozi zizele ngamaqhekeza enazisusayo? Bathi ke, Zazisixhenxe.

21Wayesithi kubo, Phofu yini na ukuba ningaqondi?

Ukuphiliswa kwemfama yaseBhetesayida

22Uthi aze kufika eBhetesayida; bazise imfama kuye, bambongoze ukuba ayichukumise.

23Uthe, eyibambe ngesandla imfama, wayirholela ngaphandle komzi; watshica emehlweni ayo, wabeka izandla phezu kwayo, wayibuza ukuba ibona nto na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Yaza yakhangela phezulu yathi, Ndiyababona abantu; kuba ndibanakana behamba,
ngathi yimithi.

25Wabuya wazibeka izandla phezu kwamehlo ayo, wayikhangelisa phezulu; yabuya
yaphila, yababona bonke kakuhle.

26Uthe ayithumele endlwini yayo, esithi, Uze ungangeni kuwo umzi, ungathethi
nakubani kuwo umzi.

UPetros uvuma ukuba uYesu unguKristu
(UMat. 16:13-23)

27Waphuma uYesu nabafundi bakhe, waya emizini yaseKesareya kaFilipu; waye
endleleni ebabuza abafundi bakhe, esithi kubo, Kuthiwa ngabantu ndingubani na
mna?

28Baphendula ke bona ngokuthi, Bathi ùnguYohane umbhaptizi; abanye bathi
ùnguEliya; bambi ke bathi ùngomnye wabaprofeti.

29Athi yena kubo, Ke nina nithi ndingubani na? Aphendule ke uPetros athi kuye,
Wena unguye uKristu.

30Wabakhalimela ukuba bangaxeleli bani ngaye.

UYesu ukuxela kwangaphambili ukufa nokuvuka kwakhe
(UMat. 16:21-23)

31Waqala ukubafundisa, okokuba uNyana woMntu umelwe kukuba eve ubunzima
obukhulu, alahlwe ngawo amadoda amakhulu nababingeleli abakhulu nababhali,
abulawe, athi emveni kweentsuku ezintathu abuye avuke.

32Elo zwi wayelithetha ngokungafihlisiyo. UPetros wamthabathela kuye, waqala
ukumkhalimela.

33Uthe ke yena, ejikile, wabakhangela abafundi bakhe, wamkhalimela uPetros, esithi,
Suka uye emva kwam, Sathana; ngokuba ungàzinyamekeli ezikaThixo izinto,
unyamekele ezabantu.

Ukuzincama
(UMat. 16:24-28)

34Esibizele kuye isihlwele, kwanabafundi bakhe, wathi kubo, Osukuba ethanda
ukundilandela, makazincame, awuthwale umnqamlezo wakhe, andilandele ke.

35Kuba othe wathanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe, wolahlekelwa nguwo; ke
yena othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam, nangenxa yeendaba
ezilungileyo ezi, wowusindisa.

36Kuba komnceda ntoni na umntu, ukuba uthe walizuza ihlabathi liphela, waza
wonakalelwa ngumphefumlo wakhe?

37Okanye worhola ntoni na umntu, ibe sisananelo somphefumlo wakhe?

© 1975 Bible Society of South Africa.

38Kuba othe waneentloni ngam nangamazwi am, kwesi sizukulwana sikrexezayo, sonayo, naye uNyana woMntu woba neentloni ngaye, xa athe weza esebuqaqawulini boYise, enezithunywa ezingcwele.

UMarko 9

1Wayesithi kubo, Inene ndithi kuni, Kukho abathile kwabemiyo apha, abangayi kukha beve kufa bona, bade babubone ubukumkani bukaThixo busiza ngamandla.

Ukwenziwa kumila kumbi kukaYesu
(UMat. 17:1-13)

2Uthi uYesu, emveni kweentsuku ezintandathu, athabathe uPetros noYakobi noYohane, abanyuse baye entabeni ende ngasese, bebodwa. Waza wenziwa wakumila kumbi phambi kwabo.

3Zasuka neengubo zakhe zabengezela, zamhlophe kunene njengekhephu, ekungekho mchazi wangubo emhlabeni apha unako ukuzenza mhlophe kangako.

4Kwabonakala kubo uEliya enoMoses; baye bethetha noYesu.

5Uthi aphendule uPetros athi kuYesu, Rabhi, kuhle ukuba sibe lapha; masenze iminquba ibe mithathu, omnye ube ngowakho, omnye ube ngokaMoses, omnye ube ngokaEliya.

6Kuba ubengayazi into abengayithethayo; kuba bebesoyika kakhulu.

7Kwabakho ilifu elibenzela ithinzi; kweza nezwi liphuma efini apho, lisithi, Lo nguNyana wam oyintanda; mveni yena.

8Bakuthi ukusingasinga, ababa sabona mntu, babona selinguYesu yedwa onabo.

9Ke kaloku, bakubon' ukuba bayehla entabeni apho, wabayala ukuba bangazityeli bani ezo zinto bazibonileyo, kungaba kude kube kuxa athe wavuka kwabafileyo uNyana woMntu.

10Elo zwi balibamba lakubo bodwa bebuzana ukuba ukuvuka kubo abafileyo kukuthini na.

11Baye bembuza besithi, Bathini na ababhali, ukuthi uEliya umelwe kukufika tanci?

12Uphendule ke wathi kubo, UEliya okunene, efike tanci, wobuya azimise zonke izinto; wabaxelela nokokuba kuthiweni na ukubhalwa ngaye uNyana woMntu, ukuba ufanele ukuva ubunzima obukhulu, enziwe into engento yanto.

13Ke ndithi kuni, Ufikile uEliya, baza benza kuye konke abakuthandayo, kwanjengoko kubhaliweyo ngaye.

Ukuphiliswa konesathuthwane
(UMat. 17:14-21)

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Akufika kubafundi, wabona isihlwele esikhulu sibaphahlile, nababhali bebuzana nabo.

15Sathi kwaoko sonke isihlwele sakumbona saqhiphuka umbilini; beza kuye ngokubaleka, bambulisa.

16Wababuza ababhali, esithi, Nibuzana ntoni na nabo?

17Waphendula omnye wasesihlweleni wathi, Mfundisi, bendizise unyana wam kuwe, enomoya ongathethiyo;

18apho uthe wamqubula khona, uyamntlala, aze alephuze amagwebu, atshixize amazinyo akhe, asuke ome; ndithethé kubafundi bakho ukuba bawukhuphe; bakhohlwa.

19Amphendule ke yena athi, Sizukulwanandini singakholwayo, koda kube nini na ndikuni? Koda kube nini na ndininyamezele? Mziseni kum.

20Bamzisa kuye. Akumbona, wesuka kwaoko umoya, wambetha wee xhwenene; wawa emhlabeni, wamana eqikaqikeka, elephuza amagwebu.

21Wabuza kuyise, ukuba kumgama ungakanani na imhlile le nto. Wathi ke yena, Kwaesengumntwana;

22úmphose futhi emlilweni, kwanasemanzini, ukuba umtshabalalise; ukuba ùnako ukwenza into, sisize, usikwe yimfesane sithi.

23Wathi ke uYesu kuye, Ewe, ukuba unokukholwa! Zonke izinto zinokwenzeka kuye okholwayo.

24Wakhala kwaoko uyise womntwana lowo, wathi eneenyembezi, Ndiyakholwa, Nkosi; síza, ususeukungakholwa kwam.

25Uthe ke uYesu, ebone ukuba isihlwele sibalekela ndaweni-nye, wawukhalimela umoya ongcolileyo, esithi kuwo, Moyandini ungathethiyo usithulu, mna ndiyakuthethela, phuma kuye, ungabi sangena kuye.

26Wakhala wona, wambetha wee xhwenene kunene, waphuma; waba njengofileyo, bada abaninzi bathi, Ufile.

27Uthe ke uYesu wambamba ngesandla, wamvusa; wesuka wema.

28Eye kungena endlwini, bambuza abafundi bakhe ngasese, besithi, Yayiyini na ukuba singabi nako ukuwukhupha thina?

29Wathi kubo, Olu lona uhlobo alunako ukuphuma nganto, kungengako ukuthandaza nokuzila ukudla.

UYesu okwesibini ukuxela kwangaphambili ukufa kwakhe

(UMat. 17:9-13)

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Bephumile apho, babehamba becanda kwelaseGalili; wayengathandi ukuba kwazi bani;

31kuba wayebafundisa abafundi bakhe, esithi kubo, UNyana woMntu unikelwa ezandleni zabantu; baya kumbulala; uya kuthi ebulewe, abuye avuke ngomhla wesithathu.

32Baye bengakuqondi oko kuthetha; baye besoyika nokumbuza.

Oyena mkhulu ebukumkanini bamazulu

(UMat. 18:1-11)

33Weza kufika eKapernahum. Akuba esekhaya, wayebabuza esithi, Nibe nicamanga ntoni na phakathi kwenu endleleni?

34Bahlala ke bathi tu; kuba endleleni babephikisene ngokuthi, Ngubani na omkhulu kunabanye?

35Akuba ehleli phantsi, wababiza abalishumi elinababini, wathi kubo, Ukuba ubani uthanda ukuba ngowokuqala, woba ngowokugqibela kwabo bonke, nomlungiseleli wabo bonke.

36Úthabathe umntwana, wammisa phakathi kwabo; emwolile, wathi kubo,

37Othe wamkela noko amnye wabantwana abanje, egameni lam, wamkela mna; nothe wamkela mna, akamkeli mna, wamkela lowo wandithumayo.

Ongachaseneyo nathi ungecala lethu

(ULuka 9:49,50)

38Ke kaloku uYohane wamphendula, esithi, Mfundisi, sabona umntu ekhupha iidemon egameni lakho, ongasilandeliyo thina; samalela ke, ngokuba engasilandeli thina.

39Wathi ke uYesu, Musani ukumalela; kuba akukho namnye uya kwenza umsebenzi wamandla egameni lam, aze ahle abe nako ukuthetha kakubi ngam.

40Kuba ongachaseneyo nathi, ungecala lethu.

41Kuba othe waniseza nendebe le yamanzi egameni lam, ngokuba ningabakaKristu, inene ndithi kuni, akasayi kuphulukana nomvuzo wakhe.

Ngezikhubekiso

42Nothe wakhubekisa noko amnye wabancinane abakholwayo kum, ngekumlungele kanye ukuba ubegangxwe ilitye lokusila entanyeni yakhe, waphoswa elwandle.

43Nokuba ke isandla sakho sithe sakukhubekisa, sinqamle sona; kukulungele kanye ukuba ungene ebomini usisilima, kunokuba uthi, unezandla zozibini, umke uye esihogweni, emlilweni ongacimekiyo,

44apho kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacinywayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

45Nokuba unyawo lwakho luthe lwakukhubekisa, lunqamle lona; kukulungele kanye
ukuba ungene ebomini usisiqhwala, kunokuba uthi, uneenyawo zombini, uphoswe
esihogweni, emlilweni ongacimekiyo,

46apho kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacinywayo.

47Nokuba iliso lakho lithe lakukhubekisa, likhuphe lona; kukulungele kanye ukungena
ebukumkanini bukaThixo unaliso linye, kunokuba uthi, unamehlo amabini, uphoswe
esihogweni somlilo,

48apho kumpethu ingafiyo, kumlilo ungacinywayo.

49Kuba bonke baya kugalelwa ityuwa ngomlilo, athi onke amadini agalelwe ityuwa
ngetyuwa.

50Ityuwa ilungile yona; ke ukuba ithe ityuwa ayaba nabutyuwa, noyivakalisa ngantoni
na? Yibani netyuwa phakathi kwenu, nihlale ninoxolo omnye komnye.

UMarko 10

Uqhawulo-mtshato

(UMat. 19:1-12)

1Esukile apho, uzé kungena emideni yakwaYuda, ecanda kweliphesheya kweYordan.
Kubuya kuhlanganiselane izihlwele kuye; ubesithi ke, njengoko ebeqhele ngako,
abuye azifundise.

2Bafika abaFarisi, bambuza ukuba kuvumelekile na ukuba indoda imale umfazi
wayo; batsho bemlinga.

3Waphendula ke wathi kubo, UMoses waniwisela mthetho mni na?

4Bathi bona, UMoses wakuvumela ukubhala incwadi yokwahlukana, nokumala.

5Waphendula uYesu wathi kubo, Ngokuba lukhuni kwentliziyo yenu, wanibhalela loo
mthetho;

6kodwa kwasekuqalekeni kokudalwa, uThixo wabenza bayindoda nenkazana.

7Ngenxa yoko umntu uyakushiya uyise nonina, anamathele emfazini wakhe;

8baze abo babini babe nyama-nye. Ngako oko, àbasebabini, banyama-nye.

9Oko ke ngoko uThixo akumanyileyo, makungahlulwa mntu.

10Endlwini abafundi bakhe babuya bambuza ngayo loo nto.

11Athi kubo, Othe wamala umfazi wakhe, wazeka omnye, uyakrexeza kulowa.

12Nokuba umfazi uthe wayala indoda yakhe, wendela kwenye, uyakrexeza.

UYesu usikelela abantwana

(UMat. 19:13-15)

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

13Baye bezisa abantwana kuye ukuze abachukumise; basuka abafundi babakhalimela
abo babazìsayo.

14Ke kaloku ekubonile oku uYesu, wacaphuka, wathi kubo, Bavumeleni abantwana
beze kum, ningabaleli: ngokuba ubukumkani bukaThixo bubobabo banjalo.

15Inene ndithi kuni, Othe akabamkela ubukumkani bukaThixo njengomntwana, akayi
kukha angene kubo.

16Waza wabawola, wazibeka izandla phezu kwabo, wamana ebasikelela.

Indodana esisityebi

(UMat. 19:16-30)

17Akubon' ukuba uyaphuma, uya endleleni, kweza othile ngokubaleka, wawa
ngamadolo kuye, wambuza esithi, Mfundisi ulungileyo, ndénze ntoni na, ukuze
ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?

18Uthe ke uYesu kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? Akukho ulungileyo, mnye
kwaphela — nguThixo.

19Uyayazi imithetho: Musa ukukrexeza, musa ukubulala, musa ukuba, musa
ukungqinela ubuxoki, musa ukulumkisa, beka uyihlo nonyoko.

20Uphendule ke yena wathi kuye, Mfundisi, zonke ezo zinto ndazigcina,
kwasebuncinaneni bam.

21Uthe ke uYesu, ondele kuye, wamthanda, wathi kuye, Kukho nto-nye uyisweleyo:
hamba uye kuthengisa ngeento zonke onazo, uphe amahlwempu, woba nobutyebi
ke emazulwini; yiza ke undilandele, uwuthwele umnqamlezo.

22Wathi ke khunubembe ngelo zwi, wemka ebuhlungu; kuba ebenemfuyo eninzi.

23UYesu esingasingile, wathi kubafundi bakhe, Hayi, ukuba ngenkankulu ukuya
kungena kwabo banobutyebi ebukumkanini bukaThixo!

24Ke bathi qhiphu umbilini abafundi ngamazwi akhe. Aphinde ke uYesu, aphendule
athi kubo, Bantwana, hayi, ukuba ngenkankulu ukuthi abo bakholosé ngobutyebi
bangene ebukumkanini bukaThixo!

25Kulula ukuba inkamela iphumele entunjeni yenaliti, kunokuba isityebi singene
ebukumkanini bukaThixo.

26Baye bekhwankqiswa ke ngokuncamisileyo, besitshono ukuthi, Ngubani na
ongásindiswayo?

27Óndele ke kubo uYesu, uthi, Kubantu akunakwenzeka; kuye yena uThixo
akunakuba kungenzeki; kuba zonke izinto zinako ukwenzeka kuye uThixo.

28Waqala uPetros ukuthi kuye, Uyabona, thina sishiye iinto zonke, sakulandela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Waphendula uYesu wathi, Inene ndithi kuni, akukho namnye ushiye indlu, nokuba
ngabazalwana, nokuba ngoodade, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba
ngumfazi, nokuba ngabantwana, nokuba ngamasimi, ngenxa yam nangenxa
yeendaba ezilungileyo ezi,

30ongayi kuthi amkeliswe kalikhulu: ngoku ngeli xesha, izindlu, nabazalwana,
noodade, noonina, nabantwana, namasimi, ndawonye neentshutshiso; nakwelizayo
iphakade, ubomi obungunaphakade.

31Ke baninzi abokuqala abaya kuba ngabokugqibela, nabokugqibela abaya
kuba ngabokuqala.

UYesu okwesithathu ukuxela kwangaphambili ukufa kwakhe

(UMat. 20:17-19)

32Ke kaloku babesendleleni, benyuka besiya eYerusalem; waye uYesu ehamba
phambi kwabo; baye bethe qhiphu umbilini, balandela besoyika. Wabuya
wabathabatha abalishumi elinababini waqala ukubaxelela izinto eziza
kumhlela, esithi,

33Niyabona, siyenyuka siya eYerusalem; waye uNyana woMntu eya kunikelwa
kubabingeleli abakhulu, nakubabhali; baya kumgweba ukuba afe, bamnikele kuzo
iintlanga.

34Ziya kudlala ngaye, zimtyakatye, zimtshicele, zimbulale; aze athi ngomhla
wesithathu abuye avuke.

Isicelo soonyana bakaZebhedi

(UMat. 20:20-28)

35Kuthi kuze kuye uYakobi noYohane, oonyana bakaZebhedi, besithi, Mfundisi,
sithanda ukuba usenzele into esothi siyicele.

36Wathi ke yena kubo, Nithanda ukuba ndinenzele ntoni na?

37Bathi ke bona kuye, Siphe ukuhlala, omnye ngasekunene kwakho, nomnye
ngasekhohlo kwakho, ebuqaqawulini bakho.

38Wathi ke uYesu kubo, Aniyazi into eniyicelayo: ninako na ukuyisela indebe
endiyiselayo mna, nibhaptizwe ngobhaptizo endibhaptizwa ngalo mna?

39Bathi ke bona kuye, Sinako. Wathi ke uYesu kubo, Okunene indebe endiyiselayo
mna, niya kuyisela; nobhaptizo endibhaptizwa ngalo mna, niya kubhaptizwa
kwangalo;

40kodwa kona ukuhlala ngasekunene kwam nangasekhohlo kwam, asikwam ukupha
ngako, ngaphandle kokupha abo kulungiselwe bona.

41Bevile abalishumi, baqala ukubacaphukela ooYakobi noYohane.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

42Ke kaloku, uYesu ebabizele kuye, uthi kubo, Niyazi ukuba abo kuthiwa balawula
iintlanga, bayazigagamela; nabo bazizikhulu zazo benza ngegunya kuzo.

43Ze kungabi njalo ke phakathi kwenu nina; osukuba efuna ukuba mkhulu phakathi
kwenu, makabe ngumlungiseleli wenu;

44nosukuba efuna ukuba ngowokuqala, makabe ngumkhonzi wabo bonke;

45kuba noNyana woMntu engezanga kulungiselelwa; weza kulungiselela, nokuncama
ubomi bakhe, bube yintlawulelo yokukhulula abaninzi.

Imfama yaseYeriko

(UMat. 20:29-34)

46Baza kufika eYeriko. Ekuphumeni kwakhe eYeriko apho, nabafundi bakhe
nendimbane elingeneyo, unyana kaTimeyu, uBhartimeyu, imfama, waye ehleli
ngasendleleni engqiba.

47Wathi akuva ukuba nguYesu waseNazarete, waqala ukudanduluka wathi, Yesu
nyana kaDavide, ndenzele inceba.

48Baye abaninzi bemkhalimela ukuba athi tu; kwaba kokukhona ke wadandulukayo
ngakumbi, esithi, Nyana kaDavide, ndenzele inceba.

49Wema uYesu wathi, Makabizwe. Bayibiza ke imfama, besithi kuyo, Yomelela, suk'
ume; úyakubiza.

50Ithe ke yona, ilahlé ingubo yayo, yesuka yeza kuYesu.

51Aphendule athi kuyo uYesu, Uthanda ukuba ndikwenzele ntoni na? Yathi ke
imfama kuye, Rabhoni, ndithanda ukuba ndibone.

52Wathi ke uYesu kuyo, Hamba uhambe; ukholo lwakho lukusindisile. Yabona
kwaoko, yamlandela uYesu endleleni apho.

UMarko 11

UYesu ungena eYerusalem ekhwele iesile

(UMat. 21:1-11)

1Ke kaloku, xa basondelayo eYerusalem, eBhetefage naseBhetani, besingisa eNtabeni
yemiNquma, ususa babe babini kubafundi bakhe,

2athi kubo, Hambani niye emzaneni lo ukhangelene nani; nothi ningena kuwo, nibe
senifumana ithole le-esile libotshelelwe, ekungazanga kuhlale namnye umntu phezu
kwalo; likhululeni nilizise.

3Nokuba ubani uthe kuni, Yini na ukuba nikwenze oko? nòthi, Liyafuneka eNkosini;
wothi kwaoko ke alithumele apha.

4Basuka ke baya, balifumana ithole libotshelelwe ngasemnyango ngaphandle,
ekuhlanganeni kweendlela; balikhulula.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Baye abathile kwababemi khona besithi kubo, Nenza ntoni na, nilikhulula nje ithole?

6Bathetha ke kubo njengoko uYesu ebebawisele umthetho ngako; baza babayeka.

7Balizisa ithole kuYesu; baziphosa iingubo zabo phezu kwalo; wahlala phezu kwalo.

8Ke kaloku abaninzi bazandlala iingubo zabo endleleni; baye ke abanye bexhuzula amahlamvu emithini, bewandlala endleleni.

9Baye abo babehamba ngaphambili, nabo babelandela, bedanduluka, besithi, Hosana; makabongwe lo uzayo egameni leNkosi.

10Mabubongwe ubukumkani bobawo wethu uDavide, obo buzayo egameni leNkosi! Hosana enyangweni!

11Uthe ke uYesu wangena eYerusalem nasetempileni; ezisingasingile izinto zonke, wathi, kuba bekusekuhlwile, waphuma waya eBhetani, enabalishumi elinababini.

Umkhiwane oqalekisiweyo. Ukuhlanjululwa kwetempile

(UMat. 21:12-22)

12Uthe ngengomso, bakubon' ukuba baphumile eBhetani, walamba.

13Wathi, ebone umkhiwane ukude, unamagqabi, waya kukhangela ukuba angafumana nto na kuwo; akufika kuwo, akafumana nto, kwakuphela ngamagqabi; kuba belingelilo ixesha lamakhiwane.

14Waphendula uYesu wathi kuwo, Makungaze kudle mntu siqhamo kuwe naphakade. Baye besiva ke abafundi bakhe.

15Bafika eYerusalem. Waza uYesu, eye kungena etempileni, waqala wabakhupha ababethengisa nababethenga etempileni; wathi neetafile zabanani bemali nezihlalo zabathengisa ngamahobe wazibhukuqa.

16Wayengavumi ukuba kubekho ucanda etempileni ethwele isitya.

17Wayefundisa, esithi kubo, Akubhaliwe na kwathiwa, Indlu yam iya kubizwa ngokuba yindlu yokuthandaza iintlanga zonke? Ke nina niyenzé umqolomba wezihange.

18Beva ababhali nababingeleli abakhulu; baye befuna ukuba bangáthini na ukumtshabalalisa; kuba babemoyika yena, ngokuba indimbane yonke ibikhwankqisiwe yimfundiso yakhe.

19Uthe ke kwakuhlwa waphuma, waya ngaphandle komzi.

20Bathi bedlula kusasa, bawubona umkhiwane lowo womile, uthabathele kwasezingcanjini.

21Ekhumbule uPetros, uthi kuye, Rabhi, khangela umkhiwane obuwuqalekisile womile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Uphendule uYesu wathi kubo, Yibani nokukholwa kuThixo.

23Kuba inene ndithi kuni, Othe kule ntaba, Funquleka, uphoseke elwandle, angàthandabuzi entliziyweni yakhe, asuke akholwe ukuba ezo zinto azithethayo zinokwenzeka, wokuzuza oko athe wakuthetha.

24Ngenxa yoko ndithi kuni izinto enisukuba nizicela, nithandaza, kholwani ukuba ninokuzamkela; nòba nazo.

25Naxa sukuba nimi nithandaza, ukuba ninendawo ngakothile, mxoleleni, ukuze noYihlo osemazulwini anixolele iziphoso zenu.

26Ke, ukuba anixoleli nina, nàye uYihlo osemazulwini akasayi kunixolela iziphoso zenu.

Igunya likaYesu

(UMat. 21:23-27)

27Babuya beza eYerusalem; kuthi, akubon' ukuba uyahamba etempileni, kúze kuye ababingeleli abakhulu, nababhali, namadoda amakhulu;

28bathi kuye, Ùzenza ezi zinto ngagunya lini na? Kanjalo ngubani na okunike eli gunya lokuze ezi zinto uzenze?

29Waphendula ke uYesu, wathi kubo, Nam ndiya kunibuza zwi-nye, ze nindiphendule; ndonixelela ke, ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.

30Ubhaptizo lukaYohane lwaluphuma emazulwini, lwaluphuma ebantwini, sini na? Ndiphenduleni.

31Baye becamanga phakathi kwabo, besithi, Ukuba sithe, Lwaluphuma emazulwini, wothi, Ibiyini na phofu ukuba ningakholwa nguye?

32Kodwa ukuba sithe, Lwaluphuma ebantwini — babesoyika abantu; kuba bonke babebambe ukuthi uYohane ubengumprofeti inene.

33Baphendula bathi kuYesu, Asazi. Aphendule uYesu athi kubo, Nam andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.

UMarko 12

Umzekeliso wesidiliya

(UMat. 21:33-46)

1Waqala ukuthi kubo ngemizekeliso, Umntu watyala isidiliya, wasibiyela ngothango, wemba isixovulelo seediliya, wakha inyango, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambela kwelinye.

2Wathi ngelona xesha, wathuma umkhonzi kubalimi abo, ukuba amkele kubalimi esiqhameni sesidiliya eso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Basuka bona bambamba, bamtyabula, bamndulula elambatha.

4Wabuya wathuma kubo omnye umkhonzi; lowo bamgibisela ngamatye, bamngxwelerha entloko, bamndulula bemhlazisile.

5Wabuya wathuma omnye; lowo bambulala. Wathuma nabanye babaninzi, inxenye beyityabula, inxenye beyibulala.

6Uthe ngoko, esenaye unyana emnye, intanda yakhe, wamthuma naye kubo ukugqibela, esithi, Baya kumhlonela yena unyana wam.

7Ke bona abo balimi bathi phakathi kwabo, Yindlalifa lo; yizani simbulale, ilifa libe lelethu.

8Bamthabatha ke, bambulala, bamphosa ngaphandle kwesidiliya.

9Uya kwenza ntoni na ke ngoko umninisidiliya? Wofika abatshabalalise abo balimi, asinikele kubambi isidiliya eso.

10Anisilesanga na esi sibhalo sithi, Ilitye abalicekisáyo abakhi, Lelona laba yintloko yembombo;

11Kwavela eNkosini oku, Kungummangaliso emehlweni ethu? (INdum. 118:22,23)

12Baya befuna ukumbamba, basuka boyika izihlwele, kuba baqonda ukuba uwuthethe ngabo lo mzekeliso. Bamshiya bemka.

Umbuzo malunga nerhafu

(UMat. 22:15-22)

13Bathi bathumela kuye abathile bakubaFarisi bakumaHerode, ukuze bambambise ngokuthetha.

14Befikile ke bona, bathi kuye, Mfundisi, siyazi ukuba uyinene, kanjalo akukhathali nangubani; kuba akukhethi buso bamntu, indlela kaThixo uyifundisa ngenene. Kuvumelekile na ukumnika irhafu uKesare, akuvumelekile, kusini na? Siníkele, singanikeli, kusini na?

15Ke kaloku yena, ekwazi ukuhanahanisa kwabo, wathi kubo, Nindilingelani na? Ndiziseleni idenariyo, ndiyibone.

16Bayizisa ke. Athi kubo, Ngokabani na lo mfanekiso nombhalo?

17Bathi ke kuye, NgokaKesare. Waphendula uYesu wathi kubo, Nikelani izinto zikaKesare kuKesare, nezinto zikaThixo kuThixo. Bamangaliswa nguye.

AbaSadusi novuko

(UMat. 22:23-33)

18Kweza kuye nabaSadusi, bona abo bathi akukho luvuko; babuza kuye besithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Mfundisi, uMoses wasibhalela, wathi, Ukuba umzalwana kathile uthe wafa, washiya umfazi, akashiya bantwana, makathi umzalwana wakhe amzeke umfazi wakhe, amvelisele imbewu umzalwana wakhe.

20Ke kaloku bekukho abazalwana abasixhenxe. Wathi owokuqala wazeka umfazi; waza akufa akashiya mbewu.

21Uthe owesibini wamzeka, wafa, akashiya mbewu. Wenjenjalo nowesithathu.

22Bamzeka ke bosixhenxe; àbashiya mbewu. Ekugqibeleni kwabo bonke, wafa naye umfazi.

23Ngoko eluvukweni, uya kuba ngumfazi wawuphi na kubo? kuba babenaye bosixhenxe engumfazi.

24Waphendula uYesu wathi kubo, Anilahleki na, ngenxa yale ndawo yokuba ningazazi izibhalo kwanamandla kaThixo?

25Kuba, xa bathe babuya bavuka kwabafileyo, àbazeki, àbendiswa; banjengazo izithunywa ezisemazulwini.

26Ngokusingisele kwabafileyo ke, ukuba bayavuka, anilesanga na encwadini kaMoses, endaweni ethetha ngetyholo, okokuba uThixo wathetha kuye esithi, Mna ndinguThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi?

27AkaThixo wabafileyo, unguThixo wabaphilileyo. Nina ke ngoko niyalahleka kakhulu.

Umthetho omkhulu

(UMat. 22:34-40)

28Kwafika omnye wakubabhali; wabeva bebuzana; waqonda ukuba ubaphendule kakuhle. Wambuza esithi, Owona mthetho uphambili kuyo yonke nguwuphi na?

29UYesu wamphendula ke esithi, Owona ungaphambili kuyo yonke imithetho ngulo: Yiva, Sirayeli, iNkosi uThixo wethu yiNkosi inye;

30uze uyithande ke iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangengqondo yakho iphela, nangamandla akho ephela. Nguwo lo ongaphambili umthetho.

31Nowesibini ufana nawo; nangu: Uze umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako. Akukho mthetho wumbi mkhulu kunalé.

32Wathi umbhali kuye, Ngxatsho ke, Mfundisi, uthethe inyaniso; ngokuba mnye uThixo, akukho wumbi ngaphandle kwakhe;

33nokuthi umthande yena ngentliziyo iphela, nangengqiqo iphela, nangomphefumlo uphela, nangamandla ephela, nokuthi umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako, kungaphezu kwawo onke amadini atshiswayo kuphele, nemibingelelo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34UYesu embonile ukuba uphendule ngengqiqo, wathi kuye, Akukude wena
ebukumkanini bukaThixo. Akwaba sabakho mntu ubenobuganga bakumbuza nto.

UKristu unyana kaDavide
(UMat. 22:41-46)

35Waphendula uYesu, wathi, efundisa etempileni, Batsho ngani na ababhali ukuthi,
UKristu ungunyana kaDavide?

36Kuba uDavide ngokwakhe wathi ngoMoya oyiNgcwele, Yathi iNkosi eNkosini yam,
Hlala ngasekunene kwam, Ndide iintshaba zakho ndizenze isihlalo seenyawo zakho.
(INdun. 110:1)

37UDavide ngoko ngokwakhe uthi, ÚyiNkosi. Kuvela phi na ke ukuba ngunyana
wakhe? Lwaye ke uninzi lwabantu lumva kamnandi.

Isilumkiso ngababhali

38Wayesithi kubo, ekufundiseni kwakhe, Balumkeleni ababhali, abathanda
ukuhamba ngeengubo ezinde, nemibuliso ezindaweni zembutho,

39nezihlalo zobukhulu ezindlwini zesikhungu, nezilili zobukhulu ezidlweni;

40abazidla bazigqibe izindlu zabahlolokazi, baze benyhwalaza bathandaze uzungu.
Aba baya kwamkela ugwebo olugqithisileyo.

Imalana yomhlolokazi
(ULuka 21:1-4)

41Waye uYesu ehleli malungana nomkhumbi wokulondoloza imali, ekhangela ukuba
sithini na isihlwele ukuphosa imali yobhedu emkhumbini wokulondoloza imali; zaye
izityebi ezininzi ziphosa kakhulu.

42Kwafika mhlolokazi uthile ulihlwempu, waphosa iimalanana zambini eziyikodrante.

43Ebabizele kuye abafundi bakhe, uthi kubo, Inene ndithi kuni, Lo mhlolokazi
ulihlwempu uphose ngaphezu kwabo bonke abaphosileyo emkhumbini
wokulondoloza imali;

44kuba bonke abo baphose bethabatha kwikhupha labo; ke yena ekusweleni kwakhe
uphose konke abenako, impilo yakhe iphela.

UMarko 13

Intshumayelo yesiprofeto: Ukuqala kweentlungu
(UMat. 24:1-14)

1Kwakubon' ukuba uyaphuma etempileni, uthi omnye umfundi wakhe kuye,
Mfundisi, uyawabona na la matye angaka, nezi zakhiwo zingaka?

2Waphendula uYesu wathi kuye, Uyazibona na ezi zakhiwo zikhulu? Akusayi kusala
litye phezu kwelitye, elingayi kuchithwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Baye, akubon' ukuba uhleli eNtabeni yemiNquma malungana netempile, bembuza
ngasese ooPetros noYakobi noYohane noAndreya, besithi,

4Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto, nokuba úya kuba yini na umqondiso,
xa zonke ezo zinto ziza kupheliswa.

5Wabaphendula ke uYesu waqala ukuthi, Lumkani ningalahlekiswa bani;

6kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi banguye uKristu, balahlekise into
eninzi.

7Xa nithe neva iimfazwe namarhe eemfazwe, musani kuba navuso; kuba ezo zinto
zimelwe kukuhla, ukanti kona ukuphela akukabikho;

8kuba uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani;
kuya kubakho iinyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo; kuya kubakho neendlala
neenkathazeko; ziingqaleko ke zenimba ezo.

9Zilumkeleni ke okwenu; kuba baya kuninikela ezintlanganisweni zamatyala,
nityatyulwe ezindlwini zesikhungu, nimiswe phambi kwabalawuli nookumkani
ngenxa yam, kube bubungqina kubo.

10Kumele ukuthi ke ukuqala kuvakaliswe iindaba ezilungileyo ezi kuzo zonke
iintlanga.

11Xa sukuba ke benirhola beya kuninikela, musani ukuyixhalela kwangaphambili into
eniya kuyithetha, ningacamangi nokucamanga nto. Into enithe nayinikwa ngelo xa,
thethani yona; kuba asinini enithethayo, nguMoya oyiNgcwele.

12Ke kaloku, umzalwana uya kunikela umzalwana ekufeni, aze uyise anikele
umntwana, bathi nabantwana bavukelane nabazali, bababulalise;

13nithìywe ngabantu bonke, ngenxa yegama lam. Ke onyamezelayo kude kube
sekupheleni, lowo wosindiswa.

Intshutshiso enkulu

(UMat. 24:15-28)

14Ke kaloku, xa nithe nalibona isikizi lesiphanziso, ekwakuthethwa lona ngoDaniyeli
umprofeti, limi apho lingamele kuba khona (olesayo makaqiqe), mabathi ngelo xa
abo bakwaYuda basabele ezintabeni.

15Ophezu kwendlu ke makangehli aye endlwini, angangeni aye kuthabatha into
endlwini yakhe.

16Nalowo usentsimini makangabuyeli emva, aye kuthabatha ingubo yakhe.

17Yeha ke, abamithiyo nabanyisayo ngaloo mihla!

18Thandazani ke, ukuze intsabo yenu ingabi khona ebusika.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Kuba yona loo mihla iya kuba yimbandezelo, engazanga ibekho enjalo kwasekuqalekeni kwendalo awayidalayo uThixo, kwada kwakalokunje; engasayi kubuya ibekho.

20Kanjalo ukuba iNkosi ibingayinqamlelanga loo mihla, bekungayi kubakho mntu usindayo; koko ithe ngenxa yabanyulwa ebanyulileyo, yayinqamlela imihla leyo.

21Ngelo xa ke, ukuba ubani uthe kuni, Nanku apha uKristu, nokuba uthe, Nankuya phaya, musani ukukholwa nguye;

22kuba kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso nemimangaliso yokulahlekisa nabanyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka.

23Lumkani ke nina; yabonani, ndinixelele izinto zonke ngenxa engaphambili.

Ukubuya koNyana woMntu
(UMat. 24:29-35)

24Ngaloo mihla, emveni kwayo loo mbandezelo, liya kusuka ilanga lenziwe mnyama, ithi nenyanga ingabukhuphi ubumhlophe bayo;

25zithi neenkwenkwezi zezulu zivuthuluke; athi namandla asemazulwini azanyazanyiswe.

26Baya kumbona ke ngelo xesha uNyana woMntu esiza esemafini, enamandla amakhulu nobuqaqawuli.

27Uya kuzithuma ngelo xesha izithunywa zakhe, abahlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, baphume kumacala omané omoya, kuthabathela esiphelweni sehlabathi kuse esiphelweni sezulu.

28Wufundeni ke kuwo umkhiwane umzekeliso; xa selithe lathamba isebe lawo, lahluma amagqabi, niyazi ukuba likufuphi ihlobo.

29Ngokukwanjalo nani, xa nithe nazibona ezo zinto zisihla, yazini ukuba kukufuphi, sekusemnyango.

30Inene ndithi kuni, Asisayi kudlula esi sizukulwana, zingadanga zonke ezo zinto zibekho.

31Liya kudlula izulu nehlabathi, ke wona amazwi am akasayi kudlula.

Phaphani!

32Kodwa akukho bani uwaziyo loo mhla nelo lixa, àzazi nezithunywa ezisemazulwini, akazi noNyana lo, kuphela nguYise.

33Lumkani, musani ukulala, thandazani. Kuba anilazi ukuba linini na ixesha elo;

34njengokuba wathi umntu ehambela kwelinye, eshiya indlu yakhe, wabanika igunya abakhonzi bakhe, elowo wamnika umsebenzi wakhe, waza umgcini-mnyango wamwisela umthetho ukuba alinde.

© 1975 Bible Society of South Africa.

35Lindani ngoko, ngokuba ningàkwazi ukuba kunini na ukuza komninindlu: kuko
ngokuhlwa, kuko phakathi kobusuku, kuko ekulileni kweenkuku, kuko kusasa;

36hleze afike ngebhaqo, anifumane nilele.

37Oko ndikutsho kuni, ndikutsho kubo bonke, Lindani.

UMarko 14

Ababingeleli abakhulu bayabhunga

(UMat. 26:1-5)

1Ke kaloku bekuza kubakho ipasika, izonka ezingenagwele, emveni kweentsuku
ezimbini; baye ke ababingeleli abakhulu nababhali befuna ukuba bangáthini na
ukumbamba ngenkohliso, bambulale.

2Babesithi ke, Makungabi khona ngomthendeleko, hleze kubekho isaqunge sabantu.

Isidlo saseBhetani

(UMat. 26:6-13)

3Kuthe eseBhetani, endlwini kaSimon owayeneqhenqa, akubon' ukuba uhleli, kweza
umfazi enehlala lelabhastile, linamafutha enadusi engangxengelelweyo, exabiso
likhulu; walityumza ihlala elo lelabhastile, wamgalela ngawo entloko.

4Kwaye ke kukho abathile abacaphukáyo phakathi kwabo, besithi, Yenzelweni na le
nkcitho yamafutha aqholiweyo?

5Kuba la mafutha bekungáthengiswayo ngawo ngenani elingaphezu kweedenariyo
ezimakhulu mathathu, kuphiwe amahlwempu; basuka bamfuthela.

6Uthe ke uYesu, Myekeni; nimaphulelani na? Usebenzé umsebenzi omhle kum;

7kuba amahlwempu lawo nihleli ninawo, nize xa sukuba nithanda, nibe nako
ukuwenzela okulungileyo; ke mna anihleli ninam.

8Yena ukwenzile abénako; uphange weza wawuthambisela ukungcwatywa umzimba
wam.

9Inene ndithi kuni, Apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zilungileyo kulo lonke
ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto ayenzileyo yena, ibe sisikhumbuzo ngaye.

Umvuzo womngcatshi

(UMat. 26:14-16)

10UYuda Sikariyoti, omnye kwabeshumi elinababini, wesuka waya kubabingeleli
abakhulu, ukuba amnikele kubo.

11Bathi ke bona bakuva bavuya; bambeka ngedinga lokumnika imali. Wayefuna
ukuba angáthini na ukumnikela ngexesha elimlungeleyo.

Ipasika yokugqibela nesidlo seNkosi

(UMat. 26:17-30)

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ke kaloku, ngowokuqala umhla wezonka ezingenagwele, xa bekubingelelwa imvana yepasika, bathi kuye abafundi bakhe, Ùnga singaya kulungisa phi na, ukuze uyidle ipasika?

13Ususa babini kubafundi bakhe, athi kubo, Hambani niye kuwo umzi; nohlangatyezwa ngumntu ethwele umphanda wamanzi; mlandeleni.

14Apho athe wangena khona, nothi kumninindlu, Uthi uMfundisi, Iphi na indlu yabahambi, apho ndingayidlela khona ipasika nabafundi bam?

15Yena wonibonisa igumbi eliphezulu, elikhulu, landlelwe lalungiswa; silungiseleleni apho.

16Baphuma abafundi bakhe abo, baya kungena kuwo umzi, bafumana kunjengoko wayebaxelele, bayilungisa ipasika.

17Uthi kwakuhlwa, eze nabalishumi elinababini.

18Bakubon' ukuba bahleli, bayadla, wathi uYesu, Inene, ndithi kuni, omnye kuni aba uya kundingcatsha, lowo ke udla nam.

19Baqala ke ukuba buhlungu, nokuthi kuye ngabanye, Ingaba ndim, yini na? Nomnye wathi, Ingaba ndim, yini na?

20Uphendule ke wathi kubo, Ngomnye kwabeshumi elinababini, lowo ke uthi nkxu nam esityeni.

21UNyana woMntu uyemka okunene, njengoko kubhalwe ngaye; yeha ke, loo mntu uNyana woMntu angcatshwa nguye! Ngekumlungele ukuba ebengazalwanga loo mntu.

22Bakubon' ukuba bayadla, uYesu wathabatha isonka, wasikelela, waqhekeza, wabanika, wathi, Thabathani nidle; ngumzimba wam lo.

23Wayithabatha nendebe, wabulela, wabanika; basela kuyo bonke.

24Wathi kubo, Ligazi lam eli lomnqophiso omtsha, eliphalala ngenxa yabaninzi.

25Inene ndithi kuni, Andisayi kubuya ndisele esiqhameni somdiliya, kude kube yiloo mini sukuba ndisisela sisitsha ebukumkanini bukaThixo.

26Bakuba bevume ingoma yokubonga, baphuma baya eNtabeni yemiNquma.

Ukulunyukiswa kukaPetros

(UMat. 26:31-35)

27Athi kubo uYesu, Nonke niya kukhubeka kum ngobu busuku; ngokuba kubhaliwe kwathiwa, Ndiya kubetha kumalusi, zichithwachithwe izimvu.

28Ke emveni kokuvuka kwam, ndiya kunandulela, ndiye kwelaseGalili.

29Wathi ke uPetros kuye, Nokuba baya kukhubeka bonke, mna nakanye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30Athi uYesu kuye, Inene ndithi kuwe, namhlanje, kwangobu busuku, ingekalili kabini inkuku, uya kundikhanyela kathathu.

31Kwaba kukhona wathetha wancamisa, esithi, Ndingafanelana ndimelwe kukufa nawe, andingekhe ndikukhanyele. Batsho ke bonke.

UYesu eGetsemane
(UMat. 26:36-46)

32Bafika kumhlatyana ogama liyiGetsemane. Athi kubafundi bakhe, Hlalani phantsi apha, ndikhe ndithandaze;

33athabathe naye uPetros noYakobi noYohane. Waqala ukuqhiphuka umbilini, nokudandatheka kakhulu.

34Athi kubo, Umphefumlo wam ubuhlungu kakhulu, ngokokude ube sekufeni; hlalani apha nilinde.

35Ehambele phambili umganyana, wawa emhlabeni, wathandazela, ukuba kunokwenzeka, lidlule kuye ilixa elo.

36Wayesithi, Abha, Bawo, zonke izinto zinokwenzeka kuwe; yigqithise kum le ndebe; noko ke makungabi kokuthandwa ndim, makube kokuthandwa nguwe.

37Uyeza, abafumane belele; athi kuPetros, Simon, ulele na? Ubungenakulinda noko lilinye na ilixa?

38Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni; umoya okunene unentumekelelo, ke yona inyama ithambile.

39Wabuya wemka wathandaza, ethetha kwalona elo lizwi.

40Uthe akubuya, wabafumana bebuye balala; kuba amehlo abo ayenzima bubuthongo; baye bengazi into abangamphendula yona.

41Afike okwesithathu, athi kubo, Lalani ngoku niphumle; kwanele; lifikile ilixa; yabonani, uNyana woMntu uyanikelwa ezandleni zaboni.

42Vukani sihambe; yabonani, lowo undinikelayo usondele.

UYesu uyabanjwa
(UMat. 26:47-56)

43Kwaoko, esathetha, uthi qatha uYuda, owayengoweshumi elinababini, enendimbane enkulu, inamakrele neentonga, isuka kubo ababingeleli abakhulu, nakubabhali, nakuwo amadoda amakhulu.

44Ke kaloku, lowo umnikelayo waye ebanike umqondiso, esithi, Lowo ndithe ndamanga, nguye; mbambeni, nimrhole nimnqabisile.

45Efikile, uye kuye kwaoko, athi, Rabhi, Rabhi; wamanga.

46Bamsa ke isandla, bambamba.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

47Uthe ke omnye wabo babemi khona, warhola ikrele, wamxabela umkhonzi wombingeleli omkhulu, wamnqumla indlebe.

48Waphendula uYesu wathi kubo, Niphumele ukuza kubamba mna na, ninamakrele neentonga nje, nanga niphumele isihange?

49Bendikuni imihla ngemihla etempileni ndifundisa, anandibamba; kodwa kunje, ukuze zizaliseke izibhalo.

50Bamshiya bonke, babaleka.

51Wayelandelwa yindodana ethile, ithe wambu ilinen entle emzimbeni; asuka ayibamba ke amadodana.

52Ithe yayilahla ilinen entle leyo, yabaleka kubo izé.

UYesu phambi kombingeleli omkhulu

(UMat. 26:57-68)

53Bamrholela uYesu kumbingeleli omkhulu, babuthelana kuye bonke ababingeleli abakhulu, namadoda amakhulu, nababhali.

54Waza uPetros wamlandela, ebekele kude, wada waya ngaphakathi entendelezweni yendlu yombingeleli omkhulu; waye ehleli phantsi ndawonye namadindala, esotha umlilo.

55Baye ke ababingeleli abakhulu, nayo intlanganiso yamatyala iphelele, befuna ubungqina ngaye uYesu bokuze bambulalise; bengabufumani.

56Kuba babebaninzi ababengqina ubuxoki ngaye, baye ubungqina babo bungayelelani.

57Basuka abathile bangqina ubuxoki ngaye, besithi,

58Thina samva yena esithi, Mna ndiya kuyichitha le tempile yenziweyo ngezandla, ndize ngeentsuku ezintathu ndakhe enye engenziwe ngazandla.

59Baye bungayelelani kwangokunjalo nobabo ubungqina.

60Wesuka wema phakathi umbingeleli omkhulu, wambuza uYesu, esithi, Akuphenduli nento le na? bangqina ntoni na aba ngawe?

61Wahlala ke yena wathi tu, akaphendula nento. Wabuya umbingeleli omkhulu wambuza, wathi kuye, Unguye na uKristu, uNyana waLowo ungowokubongwa?

62Uthe ke uYesu, Ndinguye; niya kumbona nokumbona uNyana woMntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza namafu ezulu.

63Usuka ke umbingeleli omkhulu azikrazule iingubo zakhe, athi, Sisawafunelani na amangqina?

© 1975 Bible Society of South Africa.

64Nikuvile ukunyelisa; kunjani kuni nina? Bamgweba ke bonke ukuba unetyala lokuba afe.

65Yaqala inxenye ukumtshicela, nokumgqubuthela ubuso, nokumntlitha, nokuthi kuye, Profeta; ayé amadindala emtywakraza.

UPetros uyamkhanyela uYesu

(UMat. 26:69-75)

66Kuthi ke, akubon' ukuba uPetros usentendelezweni ngezantsi, kuze omnye umkhonzazana wombingeleli omkhulu, ambone uPetros esotha,

67ondele kuye, athi, Nawe ubunaye uYesu waseNazarete.

68Wakhanyela ke esithi, Andiyazi, andiyiqondi kanye into oyithethayo wena. Waphuma waya phandle kwengaphambili intendelezo; yalila ke inkuku.

69Umkhonzazana ubuye wambona, waqala ukuthi kwabo babemi khona, Lo ngowakubo.

70Waphinda ke wakhanyela. Kuthe, kwakuba mzuzwana, babuya abo babemi khona, bathi kuPetros, Inyaniso, ùngowakubo; kuba ungowaseGalili, nokuthetha kwakho kuyafana nokwabo.

71Waqala ke ukushwabula nokufunga, esithi, Andimazi loo mntu nimthethayo.

72Yalila okwesibini inkuku. Walikhumbula ke uPetros ilizwi, abelithethile uYesu kuye, lokuthi, Ingekalili inkuku kabini, uya kundikhanyela kathathu. Wathi akucinga, walila.

UMarko 15

UYesu phambi koPilato

(UMat. 27:11-31)

1Bathi, kwaoko kwakusa, ababingeleli abakhulu benza ibhunga, ndawonye namadoda amakhulu, nababhali, nentlanganiso yamatyala iphelele; bambopha uYesu bemka naye, bamnikela kuPilato.

2UPilato wambuza esithi, Unguye na ukumkani wamaYuda? Waphendula ke yena wathi kuye, Nawe utsho.

3Baye bemmangalela ke ngeendawo ezininzi ababingeleli abakhulu.

4Wabuya ke uPilato wambuza, esithi, Akuphenduli nento na? Khangela ukuba zininzi kwazo iindawo abazingqina ngawe.

5Noko ke uYesu akabanga saphendula nto yena, ngokokude amangaliswe uPilato.

6Ke kaloku imithendeleko ngemithendeleko ubeqhele ukubakhululela umbanjwa abe mnye, abasukuba bemcela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Kwaye kukho ke obekuthiwa nguBharabhas, ebotshwe ndawonye nabanye abenzi besaqunge, ababulaláyo nokubulala esaqungeni apho.

8Sankqangaza isihlwele, saqala ukucela, ukuba enze ngoko abehlala esenza ngako kubo.

9Wabaphendula ke uPilato, esithi, Nithanda ukuba ndinikhululele ukumkani wamaYuda na?

10Kuba ebesazi ukuba ababingeleli abakhulu abo bamnikele ngomona.

11Ke bona ababingeleli abakhulu bayixhokonxa indimbane, ukuba icele ukuba kanye abakhululele uBharabhas.

12Wabuya waphendula ke uPilato, wathi kubo, Ninga ndingamenzani na ngoko lowo nithi nguKumkani wamaYuda?

13Babuya ke bankqangaza bathi, Mbethelele emnqamlezweni!

14Wathi ke uPilato kubo, Kuba enze bubi buni na? Kwaba kukhona ke bancamisayo ukunkqangaza, besithi, Mbethelele emnqamlezweni!

15Ke kaloku uPilato, ngokunga angasithomalalisa isihlwele, wabakhululela uBharabhas. Emtyakatyile ke uYesu, wamnikela ukuba abethelelwe emnqamlezweni.

16Athi amasoldati amrholele ngaphakathi kwentendelezo, oko kukuthi endlwini yerhuluneli; alibizèle ndawonye ibutho lawo liphela;

17amambathise ngebomvu; alùke isithsaba sameva, amthi jize ngaso, aqale ukumbulisa, athi,

18Aa! Kumkani wamaYuda!

19Ayembetha entloko ngengcongolo; ayemtshicela; ayeguqa ngamadolo, aqubude kuye.

Ukubethelelwa emnqamlezweni

(UMat. 27:32-56)

20Athi akuba edlale ngaye, amhluba ebomvu, amambathisa kwaezakhe iingubo; amrholela phandle, ukuze ambethelele emnqamlezweni.

21Anyanzela umhambi othile, uSimon waseKirene, evela ephandleni, lowo nguyise ka-Alesandire noRufo, ukuba awuthwale umnqamlezo wakhe.

22Amzisa endaweni yeGologota, oko kukuthi ngentetho evakalayo, yindawo yokakayi.

23Ayemnika iwayini enemore, ukuba ayisele; kodwa akayamkelanga.

24Athi akumbethelela emnqamlezweni, abelana ngeengubo zakhe, esenza amaqashiso ngazo, ukuze uthile athabathe ethile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Ke kaloku, laye ililixa lesithathu, abambethelela ngalo emnqamlezweni.

26Waye umbhalo wetyala lakhe ubhalwe ngaphezulu, kwathiwa, UKUMKANI WAMAYUDA.

27Kwaye kubethelelwe naye eminqamlezweni izihange zizibini, esinye ngasekunene, esinye ngasekhohlo kwakhe.

28Sazaliseka ke eso sibhalo sithi, Wabalelwa kwabachasene nomthetho.

29Baye abadlulayo bemnyelisa, behlunguzela iintloko zabo, besithi, Uha! Wena uchitha itempile, uyakhe ngeentsuku ezintathu,

30zisindise, uhle emnqamlezweni.

31Ngokukwanjalo nababingeleli abakhulu, bedlala ngaye phakathi kwabo, benababhali, babesithi, Abanye wabasindisa; yena ngokwakhe akanakuzisindisa.

32UKristu, uKumkani wakwaSirayeli, makehle kalokunje emnqamlezweni, ukuze sibone, sikholwe. Baye nabo babebethelelwe eminqamlezweni kunye naye bemngcikiva.

33Ke kaloku lakuba lilixa lesithandathu, kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwalilixa lesithoba.

34Ngalo ilixa lesithoba, wadanduluka uYesu ngezwi elikhulu, esithi, Eloyi! Eloyi! Lama sabhaktani? Oko kukuthi ngentetho evakalayo, Thixo wam!

35Thixo wam! undishiyeleni na? Inxenye yababemi khona yakuva yathi, Yabonani, ubiza uEliya.

36Wagidima ke omnye, wazalisa imfunxa ngeviniga, wayifaka engcongolweni, wamseza, esithi, Khanenze kuhle, khe sibone ukuba uEliya woza kumthula na.

37Wathi ke uYesu, ekhuphe izwi elikhulu, waphuma umphefumlo.

38Lathi ikhuselo lengcwele lakrazuka kubini, lithabathela phezulu lada lesa phantsi.

39Ebonile ke umthetheli-khulu obemi malunga naye, ukuba wenjenjalo ukudanduluka waphuma umphefumlo, uthe, Inyaniso, lo mntu ubenguNyana kaThixo.

40Kwaye ke kukho nabafazi, bekhangele bemgama; kubo apho wayenguMariya waseMagadala, noMariya unina wooYakobi omnci nokaYose, kwanoSalome;

41ababesithi, oko ebeba kwelaseGalili, bamlandele, bamlungiselele; nabanye abaninzi, ababenyuke naye ukuya eYerusalem.

Umngcwabo kaYesu
(UMat. 27:57-66)

© 1975 Bible Society of South Africa.

42Kuthe sekuhlwile, ekubeni ibiyimini yokulungiselela, oko kukuthi ngumhla ophambi
kwesabatha,

43kweza uYosefu, owaseArimati, umphakathi obekekileyo, owayebulindile naye
ubukumkani bukaThixo; waya kungena ngobuganga kuPilato, wacela umzimba
kaYesu.

44Wamangaliswa ke uPilato kukuba selefile. Ebizele kuye umthetheli-khulu,
wambuza ukuba uselenexesha na efile.

45Wathi akuqonda kumthetheli-khulu lowo, wamnika uYosefu umzimba.

46Yena, ethenge ilinen entle, wamthula; wamsongela kuyo ilinen entle; wamlalisa
engcwabeni elalixholwe eweni; waqengqela ilitye emnyango wengcwaba.

47Baye ke ooMariya waseMagadala, noMariya unina kaYose, bebona apho
wayebekwe khona.

UMarko 16

Uvuko lukaYesu

(UMat. 28:1-10)

1Yakubon' ukuba idlule isabatha, ooMariya waseMagadala,
noMariya unina kaYakobi, noSalome, bathenga ubulawu, ukuba beze bamthambise.

2Bathi kwakusasa kakhulu, ngolokuqala usuku lweveki, beza engcwabeni, liphumile
ilanga.

3Baye bethetha bodwa, besithi, Ngubani na oya kusiqengqela ilitye, lisuke emnyango
wengcwaba?

4Bathi bakukhangela, babona ukuba liqengqiwe lesuka ilitye; kuba belilikhulu
kakhulu.

5Bakungena engcwabeni, babona indodana ihleli ngasekunene, izithe wambu
ngengubo ende, emhlophe; baqhiphuka umbilini.

6Ithi ke yona kubo, Musani ukuqhiphuka umbilini; nifuna uYesu waseNazarete,
obebethelelwe emnqamlezweni. Uvukile, akakho apha; nantsi indawo ababembeke
kuyo.

7Hambani ke niye, nibaxelele abafundi bakhe noPetros ukuthi, uyanandulela ukuya
kwelaseGalili; nombona khona apho, njengokuba wayetshilo kuni.

8Baphuma ke kamsinya, babaleka engcwabeni. Baye ke bephethwe lungcangcazelo
nokuthi nqa; àbathetha nto nakubani, kuba babesoyika.

Ukuzibonakalalisa kukaYesu evukile

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ke kaloku wathi uYesu, evuke ekufeni kusasa ngolokuqala usukulweveki,
wabonakala kuqala kuMariya waseMagadala, awayekhuphe kuye iidemon
zasixhenxe.

10Waya yena wabikela ababenaye, bakubon' ukuba bakhedamile, bayalila.

11Basuka nabo, bakuva ukuba uhleli, nokuba ukhe wabonwa nguye, àbakholwa.

12Emveni koko ke, wabonakaliswa ngesinye isimo kwababini bakubo, behamba
besinga emaphandleni.

13Nabo baya babikela abanye; àbakholwa nangabo.

14Kamva wabonakalaliswa kwabalishumi elinamnye, behleli ngasesithebeni;
wakungcikiva ukungakholwa kwabo, nobulukhuni beentliziyo zabo; ngokuba
bengakholwanga ngabo babembonile evukile.

15Wathi kubo, Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizivakalise iindaba ezilungileyo
kuyo yonke indalo.

16Lowo ukholiweyo wabhaptizwa, wosindiswa; ke yena ongakholwanga, wogwetywa.

17Imiqondiso ke eya kulandelana nabo bakholiweyo nantsi: egameni lam baya
kukhupha iidemon; baya kuthetha ngeelwimi ezintsha;

18baya kuphatha iinyoka; nokuba bathe basela into ebulalayo, ayikukha ibenzakalise
bona; baya kubeka izandla phezu kwemilwelwe, iphile.

19Yathi okunene ngoko yona iNkosi, emveni kokuthetha kubo, yanyuselwa
emazulwini, yahlala ngasekunene kukaThixo.

20Ke bona baphuma, bavakalisa ezindaweni zonke, iNkosi isebenza nabo, iliqinisela
ilizwi ngayo imiqondiso ephelekana nalo. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

ULuka

ULuka 1

Intshayelelo

1Bethé nje ke abaninzi bazamela ukucacisa ibali lezo zinto zizizíganeko phakathi
kwethu,

2njengoko basinikeláyo abo, bathi kwasekuqaleni baba ngababoneli nabakhonzi balo
ilizwi:

3kwabonakala kulungile nakum, ndizilandile nje ngokucokisekileyo zonke, ndizekela
kwasentloko, ukuba ndikubhalele ngokucacileyo,

4Tiyofilo odume kunene, ukuze uyazi kakuhle ingqiniseko yamazwi owafundisiweyo
ngomlomo.

Ukuzalwa kukaYohane kuyavakaliswa

5Ngemihla kaHerode ukumkani wakwaYuda, kwaye kukho umbingeleli othile, ogama
linguZekariya, engoweqela lika-Abhiya, nomfazi wakhe engowasezintombini zika-
Aron, igama lakhe linguElizabhete.

6Bebengamalungisa ke bobabini emehlweni kaThixo, behamba ngayo yonke
imithetho nemimiselo yeNkosi, bengenakusoleka.

7Baye bengenamntwana, ngokokuba uElizabhete ebengazali, kanjalo bobabini
babesebekhulile.

8Kwathi ke kaloku, ekubuphatheni ububingeleli bakhe ngexesha leqela lakhe phambi
koThixo,

9ngokwesiko lobubingeleli, kwaba liqashiso lakhe ukuba aqhumise ubulawu, akuba
engene endaweni engcwele yeNkosi.

10Yaye yonke inkitha yabantu ithandaza ngaphandle ngelixa lesiqhumiso.

11Kwabonakala ke kuye isithunywa seNkosi, simi ngasekunene kwesibingelelo
sesiqhumiso.

12Wakhathazeka uZekariya, akusibona, wangenelwa kukoyika.

13Sathi ke isithunywa eso kuye, Musa ukoyika, Zekariya, ngokokuba isikhungo sakho
siviwe; wóthi ke umfazi wakho uElizabhete akuzalele unyana, umthiye igama
elinguYohane.

14Ùya kuba nokuvuya nokugcoba, bathi nabaninzi bakuvuyele ukuzalwa kwakhe.

15Kuba úya kuba mkhulu emehlweni eNkosi, angakhe asele wayini nasiselo
sinxilisayo; úya kuzaliswa nguMoya oyiNgcwele kwasekuzalweni kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Nento eninzi ke yoonyana bakaSirayeli úya kuyibuyisela eNkosini uThixo wabo.

17Yena úya kuhamba phambi kobuso bayo, enomoya enamandla kaEliya, ukuba azibuyisele iintliziyo zooyise kubantwana, nabangevayo kuko ukuqonda kwamalungisa, alungisele iNkosi abantu abalungisiweyo.

18Wathi uZekariya kuso isithunywa, Ndiya kukwazi ngani na oko? Kuba mna ndimdala, waye nomfazi wam selekhulile.

19Saphendula ke isithunywa, sathi kuye, Mna ndinguGabriyeli, oma phambi koThixo. Ndithunyiwe ukuba ndithethe kuwe, ndikushumayeze ezi ndaba zilungileyo.

20Uyabona, ùya kuba sisidenge, ungabi nako ukuthetha, kude kube yimini eziya kuthi zenzeke ngayo ezi zinto, ngenxa enokuba ungakholwanga ngamazwi am; aya kuzalisekiswa wona ngexesha lawo.

21Baye abantu bemlindile uZekariya, bemangalisiwe kukulibala kwakhe endaweni engcwele leyo.

22Uthe ke akuphuma, akaba nako ukuthetha kubo; baqonda ukuba ubone umbono endaweni engcwele apho, waye yena emana ukunqwala kubo, wahlala engathethi.

23Kwathi yakuzaliseka imihla yombuso wakhe, wemka waya endlwini yakhe.

24Emveni kwayo loo mihla ke, uElizabhete umfazi wakhe wathabatha, wazizimeza iinyanga zantlanu, esithi,

25Yenjénje iNkosi kum ngemihla eyandikhangelayo, ukuba ikususe ukungcikiveka kwam phakathi kwabantu.

Ukuzalwa kukaYesu kuyavakaliswa

26Ke kaloku ngenyanga yesithandathu, isithunywa esinguGabriyeli sathunyelwa nguThixo emzini welaseGalili,

27ogama liyiNazarete, kwintombi, eganelwe indoda egama linguYosefu, yendlu kaDavide; laye igama lentombi leyo linguMariya.

28Sangena isithunywa kuye, sathi, Vuya, wena ubabalweyo! INkosi inawe; usikelelwe wena phakathi kwabafazi.

29Uthe ke akusibona, wee qhiphu umbilini ngenxa yelizwi laso; wayecamanga ukuba ungaba mbuliso mni na lo.

30Sathi ke isithunywa kuye, Musa ukoyika, Mariya; kuba ubabalwe nguThixo.

31Uyabona, uya kuthabatha esizalweni, uzale unyana, umthiye igama elinguYesu.

32Yena uya kuba mkhulu, abizwe ngokuba nguNyana wOsenyangweni; iNkosi uThixo iya kumnika itrone kaDavide, uyise,

© 1975 Bible Society of South Africa.

33abe ngukumkani phezu kwendlu kaYakobi kude kube ngunaphakade, nobukumkani
bakhe bungabi nasiphelo.

34Wathi ke uMariya kuso isithunywa, Kuya kuthini na ukubakho oku, ndingazani
nandoda nje?

35Saphendula isithunywa sathi kuye, UMoya oyiNgcwele uya kuza phezu kwakho,
athi namandla Osenyangweni akusibekele; kungoko loo nto ingcwele izalwa nguwe
iya kubizwa ngokuba nguNyana kaThixo.

36Uyabona, uElizabhete, ozalana nawe, naye umithe unyana ebudaleni bakhe; nale
yinyanga yesithandathu kuye, lowo bekuthiwa ngongazaliyo;

37ngokuba akukho nanye into eya kumnqabela yena uThixo.

38Wathi ke uMariya, Nanko umkhonzazana weNkosi; makwenzeke kum ngokwelizwi
lakho. Saza isithunywa semka kuye.

UMariya utyelela uElizabhete

39Ke kaloku, wesuka uMariya ngaloo mihla, wasinga kweleentaba ngobungxamo,
emzini wakwaYuda;

40wangena endlwini kaZekariya, wambulisa uElizabhete.

41Kwathi, akuwuva uElizabhete umbuliso kaMariya, lwasuka lwaxhuma usana
esizalweni sakhe, wesuka wazala nguMoya oyiNgcwele uElizabhete.

42Wadanduluka ngezwi elikhulu, wathi, Ùnentsikelelo wena phakathi kwabafazi;
sinentsikelelo nesiqhamo sesizalo sakho.

43Kuhlé ngani na kum, ukuthi unina weNkosi yam eze kum?

44Kuba uyabona, kuthe lakubakho izwi lombuliso wakho ezindlebeni zam, lwasuka
lwaxhuma usana ngokugcoba esizalweni sam.

45Únoyolo lowo wakholwayo koko; ngokuba kuya kubakho inzaliseko yezo zinto
zithethiweyo kuye yiNkosi.

Umbongo kaMariya

46Wathi uMariya: Umphefumlo wam uyenza nkulu iNkosi,

47Nomoya wam ugcobile ngoThixo uMsindisi wam;

48Ngokuba wakukhangela ukuthobeka komkhonzazana wakhe; Kuba, uyabona, ziya
kuqala kwangoku ukuthi ndingonoyolo zonke izizukulwana;

49Ngokuba wandenzela izinto ezinkulu uSomandla; Lingcwele igama lakhe.

50Yaye inceba yakhe ikwizizukulwana ngezizukulwana Kwabo bamoyikayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

51Wenzé amandla ngengalo yakhe, Wabachithachitha abanekratshi ekucingeni kweentliziyo zabo.

52Wabawisa abanamandla ezitroneni zabo, Wabaphakamisa abathobekileyo.

53Wahluthisa abalambileyo ngezinto ezilungileyo; Wabandulula abazizityebi belambatha.

54Wasiza uSirayeli, umkhonzi wakhe, Ngokukhumbula inceba yakhe;

55Njengoko wathethayo koobawo bethu, KuAbraham nakwimbewu yakhe ngonaphakade.

56Wahlala ke uMariya naye iinyanga ngathi zaba ntathu, waza wabuyela ekhaya.

Ukuzalwa kukaYohane umbhaptizi

57Ke kaloku, ixesha likaElizabhete lazaliseka lokuba azale; wazala unyana.

58Beva abamelwane nemizalwane yakhe, ukuba iNkosi iyenze nkulu inceba yayo kuye, baye ke bevuyisana naye.

59Kwathi ngomhla wesibhlozo, beza kumalùsa umntwana; baye bemthiya igama likayise, besithi nguZekariya;

60koko waphendulayo unina, wathi, Hayi; uya kubizwa ngokuba nguYohane.

61Bathi kuye, Akukho namnye ubizwa ngelo gama kwimizalwane yakho.

62Baye ke benqwala kuyise besithi, angathanda ukuba athiweni na ukubizwa.

63Wabiza icwecwana, wabhala esithi, Igama lakhe nguYohane.

64Bamangaliswa bonke. Wavuleka ke kwaoko umlomo wakhe, lwathukululeka nolwimi lwakhe, wamana ethetha, ebonga uThixo.

65Kwehla ukoyika phezu kwalo lonke umelwane lwabo; kwaye kulo lonke eleentaba lakwaYuda kuxoxwa ngazo zonke ezi zinto.

66Bathi bonke abazivayo, bazibeka entliziyweni yabo, besithi, Azi uya kuba yintoni na lo mntwana? Saye isandla seNkosi sinaye.

Umbongo kaZekariya

67UZekariya uyise wazala nguMoya oyiNgcwele, waprofeta esithi:

68Mayibongwe iNkosi, uThixo kaSirayeli, Ngokuba ibavelele yabakhulula ngentlawulelo abantu bayo.

69Yasiphakamisela uphondo losindiso Endlwini kaDavide, umkhonzi wayo,

70Njengoko yathethayo ngomlomo wabangcwele, ababengabaprofeti bayo kwasephakadeni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

71Usindiso lokusisindisa ezintshabeni zethu, nasesandleni sabo bonke abo basithiyayo;

72Ukubenzela inceba oobawo bethu, Nokukhumbula umnqophiso wayo ongcwele,

73Isifungo eyasifungela uAbraham ubawo wethu,

74Sokusinika ukuba sithi, síhlangulwe esandleni seentshaba zethu, Siyikhonze singenakoyika,

75Ngobungcwele nangobulungisa emehlweni ayo, yonke imihla yobomi bethu.

76Nawe, mntwana, uya kubizwa ngokuba ungumprofeti wOsenyangweni, Kuba ùya kuhamba phambi kobuso beNkosi, ulungise iindlela zayo,

77Ukuze ubanike abantu bayo ukwaziwa kosindiso Ngoxolelo lwezono zabo,

78Ngenxa yenceba nemfesane yoThixo wethu, Othe ngaye wasivelela umsó wasenyangweni,

79Ukuba úkhanye kwabo bahleliyo emnyameni, nasethunzini lokufa, Ukuba úzingenise iinyawo zethu endleleni yoxolo.

80Wakhula umntwana, waya esomelela ngomoya; waye esentlango, kwada kwayimini yokubonakalaliswa kwakhe kuSirayeli.

ULuka 2

Ukuzalwa kukaYesu Kristu

1Ke kaloku kwathi ngaloo mihla, kwaphuma ummiselo kuKesare Awugusto othi, malibhalwe encwadini yomlibo wokuzalwa lonke elimiweyo.

2Olo lubhalo lwaba lolokuqala, akubon' ukuba uKireniyo uyirhuluneli yeSiriya.

3Babesithi bonke baye kubhalwa, athi elowo aye kowakowabo umzi.

4Wenyuka ke noYosefu, evela kwelaseGalili, kumzi oyiNazarete, waya kwelakwaYuda, emzini kaDavide, ekuthiwa yiBhetelehem, ngenxa yokuba ebengowendlu kaDavide, engowemizalwane yakhe;

5esiya kubhalwa, enoMariya, umfazi lowo wayemganelwe, selekhulelwe.

6Ke kaloku kwathi, xa bakhona, yazaliseka imihla yokuba azale.

7Wamzala unyana wakhe wamazibulo, wamsongela eziqhiyeni, wamlalisa emkhumbini wesitali, ngenxa enokuba babengenandawo endlwini yabahambi.

Abalusi baseBhetelehem

8Kwaye kukho abalúsi kwakwelo lizwe, behlala ezindle, belinda ebusuku imihlambi yabo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Babona ngesithunywa seNkosi simi phezu kwabo, bathi nobuqaqawuli beNkosi
bababengezelela ngeenxa zonke; besuka boyika ngokoyika okukhulu.

10Isithunywa eso sathi kubo, Musani ukoyika; kuba, yabonani, ndinishumayeza
iindaba ezilungileyo zovuyo olukhulu, oluya kuba kubo bonke bantu;

11ngokuba nizalelwe namhlanje emzini kaDavide uMsindisi, onguKristu iNkosi.

12Nantsi ke into eyoba ngumqondiso kuni: nofumana lusana lusongelweyo
eziqhiyeni, lulele emkhumbini wesitali.

13Kwabakho ngesiquphe, ndawonye nesithunywa eso, inkitha yomkhosi
wasemazulwini, idumisa uThixo, isithi,

14Uzuko kuThixo enyangweni, Uxolo emhlabeni, Inkolelo ebantwini.

15Kwathi ke, zakumka kubo izithunywa zisiya emazulwini, abantu abo abalusi bathi
omnye komnye, Masesihamba sisiya eBhetelehem apho, siyibone le nto ihlileyo,
esiyazisiweyo yiNkosi.

16Beza ngobungxamo, bamfumana uMariya, kwanoYosefu, nalo usana lulele
emkhumbini wesitali.

17Bathi ke, bakubona, balibhengeza ilizwi elabe lithethwe kubo ngaye lo mntwana.

18Bathi bonke abo bevayo, bamangaliswa zezo zinto zabe zithethwe kubo ngabalusi.

19Waye ke uMariya ezigcina zonke ezi zinto eziguqugqula entliziyweni yakhe.

20Babuya abalusi, bemzukisa bemdumisa uThixo, ngenxa yazo zonke izinto
ababezivile nababezibonile, njengoko kwabe kuthethiwe kubo.

Ulwaluko lukaYesu nokusiwa kwakhe etempileni

21Xeshikweni ke zazizalisekile iintsuku ezisibhozo zokuba umntwana alùswe,
wathiywa igama elinguYesu, elo wabelithiyiwe sisithunywa sezulu, engekamithwa
nokumithwa.

22Xeshikweni ke zazizalisekile iintsuku zokuhlanjululwa kwabo ngokomthetho
kaMoses, benyuka naye baya eYerusalem, ukuba bammise phambi kweNkosi,

23njengoko kubhaliweyo emthethweni weNkosi, kwathiwa, Yonke into eliduna, evula
isizalo, ize kuthiwe ingcwele eNkosini (iEks 13:2);

24nokuba benze idini njengoko kutshiwoyo emthethweni weNkosi ukuthi, Isibini
samahobe, nokuba ngamagobo amabini amavukuthu.

USimon noAna

25Kwaye ke kukho umntu eYerusalem, ogama linguSimon; waye loo mntu elilungisa,
emoyika uThixo, elinde intuthuzelo kaSirayeli; waye noMoya oyiNgcwele ephezu
kwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Wayehlatyelwe nguMoya oyiNgcwele, ukuba akayi kubona kufa, engekamboni uKristu weNkosi.

27Weza ngaye uMoya etempileni; kwathi, ekumngeniseni kwabo abazali umntwana uYesu, ukuba bamenze ngokwesiko lomthetho,

28yena wamamkelela ezingalweni zakhe, wabonga uThixo, wathi:

29Ùyamndulula ngoku umkhonzi wakho enoxolo, Mnini-nto-zonke, ngokwelizwi lakho;

30Ngokuba amehlo am alubonile usindiso lwakho,

31Olulungisileyo ebusweni bazo zonke izizwe,

32Isikhanyiso sokutyhilela iintlanga, Uzuko lwabantu bakho, amaSirayeli.

33Babemangaliswa ooYosefu nonina zezo zinto zithethwayo ngaye.

34USimon wabasikelela, wathi kuMariya unina, Ùyabona, lo umiselwe ukuwa nokuvuka kwabaninzi kwaSirayeli, nokuba abe ngumqondiso ochasiweyo;

35ngokokuze zibe nokutyhilwa izicamango eziphuma ezintliziyweni ezininzi; ewe ke, nowakho umphefumlo ikrele liya kuwutyhutyha.

36Kwaye kukho noAna umprofetikazi, intombi kaFanuweli, wesizwe sika-Ashere. Yena waye eselekhulile kakhulu; waye ke ebehleli nendoda iminyaka esixhenxe, ethabathela ebuntombini bakhe.

37Waye yena engumhlolokazi ominyaka ngathi imashumi asibhozo anaminé, obengemki etempileni, ekhonza uThixo ngokuzila ukudla nangokukhunga ubusuku nemini.

38Yena wayemele kufuphi ngelo lixa, wathelela ekuyidumiseni iNkosi; wayethetha ngayo kubo bonke abo babelinde ukukhululwa ngentlawulelo, eYerusalem.

39Bakuba bezigqibile zonke izinto ngokomthetho weNkosi, babuyela kwelaseGalili, emzini wabo iNazarete.

40Ke kaloku wakhula umntwana, waya esomelela emoyeni, ezele bubulumko; lwaye nobabalo lukaThixo luphezu kwakhe.

Umntwana onguYesu phakathi kwabafundisi

41Baye ke abazali bakhe behambela eYerusalem, iminyaka ngeminyaka, emthendelekweni wepasika.

42Kuthe, xa abe eminyaka ilishumi elinamibini ezelwe, bakubon' ukuba banyuke baya eYerusalem ngokwesiko lomthendeleko lowo,

43bakubon' ukuba bazigqibile ke iintsuku ezo, ekubuyeni kwabo, umntwana uYesu wasalela eYerusalem.

© 1975 Bible Society of South Africa.

44Babengazi ke uYosefu nonina. Babeba ke bona usemkhokweni wabahambi, bahamba uhambo lwamini-nye; bamana bemfuna phakathi kwemizalwana, naphakathi kwabazana nabo.

45Bathe bakuba bengamfumani, babuyela eYerusalem, bemfuna.

46Kwathi, emveni kwemihla emithathu, bamfumana etempileni, ehleli phakathi kwabafundisi, ebaphulaphula, ebuya ebabuza.

47Basuka bonke ababemphulaphula bathi nqa yingqondo yakhe naziimpendulo zakhe.

48Bakumbona bakhwankqiswa. Unina wathi kuye, Mntwana wam, yini na ukuba usenjenje? Uyabona, uyihlo nam sibe sikufuna, sibuhlungu kakhulu.

49Wathi kubo, Benindifunela ntoni na? Beningazi na ukuba ndimelwe kukuba ndibe semicimbini kaBawo?

50Ke bona abayiqondanga into awayeyithetha kubo.

51Wehla nabo, waya kufika eNazarete, wabalulamela. Wamana ukuzigcina ke unina zonke ezo ndawo entliziyweni yakhe.

52Waye uYesu ehambela phambili ebulumkweni nasebukhulwini, nasekuthandweni nguThixo nangabantu.

ULuka 3

Udaba lukaYohane umbhaptizi

(UMat. 3:1-12)

1Ke kaloku, ngomnyaka weshumi elinantlanu wokulawula kukaTibheriyo Kesare, inguPontiyo Pilato irhuluneli kwelakwaYuda, inguHerode umphathi wesahlulo sesiné esilelaseGalili, inguFilipu ke umzalwana wakhe umphathi wesahlulo sesiné esilelaseYitureya nelizwe leTrakoniti, inguLisaniyo umphathi wesahlulo sesiné esilelaseAbhilene,

2ngexa lababingeleli abakhulu ooAnas noKayafa, lafika ilizwi likaThixo kuYohane, unyana kaZekariya, entlango.

3Weza kuwo wonke ummandla waseYordan, evakalisa ubhaptizo lwenguquko ukuze kuxolelwe izono;

4njengoko kubhaliweyo encwadini yamazwi kaIsaya umprofeti, esithi, Izwi lodandulukayo entlango, lisithi, Yilungiseni indlela yeNkosi, Wutyenenezeni umendo wayo.

5Yonke imifula iya kudityelelwa, Nazo zonke iintaba neenduli ziya kuthotywa, Neendawo ezigoso ziya kuthi tye, Nezibugqagala ziya kuba ziindlela ezigudileyo;

6Bonke abantu baya kulubona usindiso lukaThixo. (UIsaya 40:3-5)

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Wayesithi ngoko kuzo izihlwele ezaziphuma zisiza kubhaptizwa nguye, Nzalandini yamarhamba, ngubani na owanibonisayo, ukuba niyibaleke ingqumbo ezayo?

8Velisani ngoko iziqhamo eziyifaneleyo inguquko; ize ningaqali nithi ngaphakathi kwenu, Thina sinobawo uAbraham: kuba ndithi kuni, Unako uThixo kuwo la matye ukumvelisela abantwana uAbraham.

9Kananjalo izembe selibekiwe engcanjini yemithi; ngoko umthi wonke ongavelisi siqhamo sihle, uyagawulwa, uphoswe emlilweni.

10Zaye izihlwele zibuza kuye, zisithi, Masenze ntoni na ke?

11Waphendula ke wathi kubo, Lowo uneengubo zangaphantsi ezimbini, makabele ongenáyo: nalowo unokudla, makenjenjalo.

12Kweza ke nababuthi berhafu ukuba babhaptizwe, bathi kuye, Mfundisi, masenze ntoni na?

13Wathi ke kubo, Ningabizi okungaphezu kwenikumiselweyo.

14Ayebuza kuye ke namasoldati, esithi, Masenze ntoni na ke thina? Wathi kuwo, Ningaphangi mntu ngokumoyikisa, nìngadli mntu ngokumtyhola; yanelani yimivuzo yenu.

15Ke kaloku, bakubon' ukuba abantu balindile, becamanga bonke ezintliziyweni zabo ngaye uYohane, ukuba akangebi nguye na uKristu,

16waphendula uYohane kubo bonke esithi, Mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi; kodwa uyeza lowo unamandla kunam, endingafanelekileyo ukuba ndiwuthukulule nomtya weembadada zakhe; uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangomlilo yena;

17omnyazi wokwela usesandleni sakhe. Uya kusicokisa kuthi tu isandá sakhe, ayibuthele kuvimba wakhe ingqolowa; ke wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo ongacimekiyo.

18Waye ke ngoko evuselela nangezinye izinto ezininzi, eshumayela iindaba ezilungileyo ebantwini.

19Ke kaloku uHerode, umphathi wesahlulo sesiné selizwe, óhlwayiwe nguye ngenxa kaHerodiya, umfazi kaFilipu umninawa wakhe, nangenxa yezinto zonke ezingendawo abezenzile uHerode, wongezelela nalé kuzo zonke,

20yokuba amvalele entolongweni uYohane.

Ukubhaptizwa kukaYesu

(UMat. 3:13-17)

21Ke kaloku kwathi, ekubeni bebhaptiziwe abantu bonke, ebhaptiziwe naye uYesu, ethandaza nokuthandaza, lasuka lavuleka izulu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

22wehla phezu kwakhe uMoya oyiNgcwele, enembonakalo yomzimba onjengehobe.
Kweza nezwi eliphuma ezulwini lisithi, Wena unguNyana wam oyintanda,
endikholisiweyo nguwe.

Umlibo wokuzalwa kukaYesu

(UMat. 1:1-17)

23Waye uYesu eminyaka ngathi imashumi mathathu ezelwe, ukuqala
kwakhe ukufundisa, engobe kusithiwa ngunyana kaYosefu,

24kaHeli, kaMatati, kaLevi, kaMeleki, kaYana, kaYosefu, kaMatatiya, ka-Amos,
kaNahum,

25kaEsli, kaNagayi, kaMahati,

26kaMatatiya, kaShimehi, kaYosefu, kaYuda,

27kaYohanan, kaResha, kaZerubhabheli, kaShalatiyeli, kaNeri, kaMeleki, ka-Adi,

28kaKosam, kaElmodam, kaEre, kaYose, kaEliyezere,

29kaYoram, kaMatati, kaLevi, kaSimon, kaYuda, kaYosefu,

30kaYonan, kaEliyakim, kaMaleya, kaMina,

31kaMatata, kaNatan, kaDavide,

32kaYese, kaObhede, kaBhohazi, kaSalemon kaNashon,

33ka-Aminadabhi, ka-Aram, kaHetseron, kaPeretse, kaYuda,

34kaYakobi, kaIsake, ka-Abraham, kaTera, kaNahore, kaSerugi,

35kaRehu, kaPelege, kaHebhere, kaShela,

36kaKenan, ka-Arpakishadi, kaShem, kaNowa,

37kaLameki, kaMetusela, kaEnoki, kaYerede, kaMahalaleli, kaKenan,

38kaEnos, kaSete, ka-Adam, kaThixo.

ULuka 4

Ukuhendwa kukaYesu

(UMat. 4:1-11)

1Ke kaloku, wathi uYesu, ezele nguMoya oyiNgcwele, wabuya eYordan, wesiwa
nguMoya entlango.

2Wantsuku zimashumi mané ehendwa nguMtyholi. Akadla nto ngezo ntsuku;
zakuphela ke, walamba.

3Wathi uMtyholi kuye, Ukuba unguNyana kaThixo, yitsho kweli litye libe sisonka.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

4UYesu wamphendula esithi, Kubhaliwe kwathiwa, Akungasonka sodwa aya kuphila umntu; kungamazwi onke kaThixo.

5UMtyholi, emnyuse entabeni ephakamileyo, wambonisa zonke izikumkani zelimiweyo, ngesiquphe sexesha.

6Wathi ke uMtyholi kuye, Ndokunika bonke obu bukhosi bazo nozuko lwazo; ngokuba bunikelwe kum; nosukuba ndithanda ndiyamnika bona.

7Ukuba ngoko uthe wena waqubuda phambi kwam, konke oko koba kokwakho.

8UYesu wamphendula wathi, Suka umke, uye emva kwam, Sathana, ngokuba kubhaliwe kwathiwa, Uze uqubude eNkosini uThixo wakho, ukhonze yena yedwa.

9Wamsa eYerusalem, wammisa eluchochoyini lwetempile, wathi kuye, Ukuba unguye uNyana kaThixo, ziphose ezantsi phaya.

10Kuba kubhaliwe kwathiwa, Uya kuziwisela umthetho ngawe izithunywa zakhe, ukuba zikugcine;

11kwathiwa, Ziya kukufukula ngezandla, Hleze ubetheke etyeni ngonyawo lwakho. (INdum. 91:11,12)

12Waphendula uYesu wathi kuye, Kuthiwe, Uze ungayihendi iNkosi uThixo wakho. (IDut. 6:16)

13Waza uMtyholi, ekugqibile konke ukuhenda, wesuka kuye umzuzu.

UYesu eNazarete

14Wabuya uYesu enamandla oMoya, weza kwelaseGalili; kwaphuma udaba ngaye, lwaya kuloo mmandla wonke.

15Wabe yena efundisa ezindlwini zabo zesikhungu, ezukiswa ngabo bonke.

16Wafika eNazarete, apho waye ondlelwe khona, wangena ngokwesiko lakhe ngomhla wesabatha endlwini yesikhungu, wesuka wema ukuba alese.

17Wanikelwa incwadi kaIsaya umprofeti, wathi, akuba eyitwabulule incwadi leyo, wafumana indawo le kubhalwe kuyo kwathiwa,

18UMoya weNkosi uphezu kwam, Ethe ngenxa yoko yandithambisela ukushumayela iindaba ezilungileyo kumahlwempu. Indithumé ukuba ndiphilise abantliziyo ityumkileyo, ndivakalise inkululeko kubathinjwa, Nokubuyiselwa kokubona kwabaziimfama, Ndindulule abaqobekileyo bekhululekile,

19Ndivakalise umnyaka owamkelekileyo weNkosi. (UIsaya 61:1-2)

20Eyisongile ke incwadi, wayibuyisela kwisicaka, wahlala phantsi. Aye amehlo abo bonke abasendlwini yesikhungu enamathele kuye.

21Waqala ke ukuthi kubo, Namhlanje esi sibhalo sizalisekile ezindlebeni zenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Baye bonke bemngqinela, bemangaliswa ngamazwi amnandi aphuma emlonyeni wakhe; babesithi, Lo asinguye na unyana kaYosefu?

23Wathi kubo, Kakade niya kuwuthetha kum lo mzekeliso uthi, Gqirha, ziphilise; okungangoko sikuvé kwenzeké eKapernahum, kwénze nakowenu apha.

24Wathi ke, Inene, ndithi kuni, Akukho mprofeti wamkelekileyo kowabo.

25Kodwa inene ndithi kuni, Babebaninzi abahlolokazi kwaSirayeli ngemihla kaEliya, oko lalivingcekile izulu iminyaka emithathu eneenyanga ezintandathu, xeshikweni kwakukho indlala enkulu kulo lonke ilizwe;

26kanti uEliya akathunywanga nakumnye kubo; wathunywa eTsarfati yakwaTsidon kumhlolokazi, kwakuphela.

27Kanjalo babebaninzi abaneqhenqa kwaSirayeli ngexesha likaElisha umprofeti; kanti ke akuhlanjululwanga namnye kubo, yaba nguNahaman umSiriya kwaba kuphela.

28Bazala ngumsindo bonke ababesendlwini yesikhungu, bakuziva ezo zinto.

29Besuka bamkhuphela ngaphandle komzi, bamrholela elungqamekweni lwentaba, owakhelwe kuyo umzi wabo, ukuze bamphose ezantsi eweni.

30Usuke yena wacanda phakathi kwabo, wemka.

Ukuphiliswa kobenedemon engcolileyo eKapernahum
(UMarko 1:21-28)

31Wehla waya eKapernahum, umzi welaseGalili; wayebafundisa ngesabatha.

32Baye ke bekhwankqiswa kukufundisa kwakhe; ngokuba ilizwi lakhe libe linegunya.

33Kwaye kukho endlwini yesikhungu apho umntu onomoya wedemon engcolileyo;

34wakhala ngezwi elikhulu, esithi, Yoo! yini na enathi nawe, Yesu waseNazarete? Uze kusitshabalalisa na? Ndiyakwazi wena, lowo unguye; ungoyiNgcwele kaThixo.

35Wawukhalimela uYesu, esithi, Yithi tu, uphume kuye. Yasuka idemon yamjulela esazulwini, yaphuma kuye ingamenzakalisanga.

36Besuka bathi qhiphu umbilini bonke, baye bethetha bodwa besithi, Lilizwi lini na eli, le nto abathethela ngegunya nangamandla oomoya abangcolileyo aba, baze baphume?

37Lwaye luphuma udaba lwakhe, lusiya kuzo zonke iindawo zaloo mmandla.

Ukuphiliswa komkhwekazi kaSimon nabanye abaninzi
(UMat. 8:14-17)

38Esukile endlwini yesikhungu, wangena endlwini kaSimon. Waye ke umkhwekazi kaSimon ebanjwe yicesina enkulu; bambika kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Wema phezu kwakhe, wayikhalimela icesina, yamyeka; evukile ke kwangoko,
wamana ebalungiselela.

40Kuthe ke bakubon' ukuba liyatshona ilanga, bonke abo babenabafayo zizifo
ngezifo, babazìsa kuye; wazibeka izandla phezu kwabo bonke ngabanye, wabaphilisa.

41Zaye ke needemon ziphuma kwabaninzi, zikhala zisithi, Wena unguye uKristu,
uNyana kaThixo. Uthe ezikhalimela, akazivumela ukuba zithethe; ngokuba bezimazi
ukuba unguye uKristu.

42Kwakusa, waphuma waya endaweni eyintlango; zaye izihlwele zimfuna, zada zaza
kufika kuye; zazimbambezela ukuba angemki kuzo.

43Uthe ke kuzo, Ndimelwe kukuba ndizishumayele iindaba ezilungileyo zobukumkani
bukaThixo nakweminye imizi, ngokuba ndithunywe oko.

44Waye ezivakalisa ke ezindlwini zesikhungu zelaseGalili.

ULuka 5

Ummangaliso wobanjiso olukhulu lweentlanzi. Abafundi bokuqala

1Ke kaloku kuthe, ekubeni zimxinile izihlwele, ziza kuva ilizwi likaThixo, wesuka wema
ngasedikeni laseGenesarete.

2Wabona imikhombe emibini imi ngasedikeni apho; babe ke ababambisi beentlanzi
bephumile kuyo, behlamba iminatha yabo.

3Wathi ke, engene komnye umkhombe, owawungokaSimon, wamcela ukuba akhe
akhwelelise kancinane emhlabeni; waza, ehleli phantsi, wamana ezifundisa izihlwele
esemkhombeni apho.

4Akupheza ke ukuthetha, wathi kuSimon, Khwelelisela enzulwini, nihlise iminatha
yenu, kubanjiswe.

5Waphendula uSimon wathi kuye, Mongameli, sibulaleke ubusuku buphela,
asabamba nento; kodwa ngelakho ilizwi ndiya kuwuhlisa umnatha.

6Bathi, bakukwenza oko, bavingcela inkitha enkulu yeentlanzi; wawuqhaqheka ke
umnatha wabo.

7Bakhoba amahlulelana abo, abekomnye umkhombe, ukuba eze kuncedisana nabo.
Beza, bayizalisa imikhombe yomibini, yada yafuna ukutshona.

8Uthe ke akukubona oko uSimon Petros, wawa emadolweni kaYesu, esithi, Mka kum,
ngokuba ndiyindoda engumoni, Nkosi.

9Kuba wathi makatha, kwanabo bonke ababenaye, ngobanjiso lweentlanzi ezo
bazibambisáyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Baba kwanjalo ke noYakobi noYohane, oonyana bakaZebhedi, ababengamadlelane noSimon. UYesu wathi kuSimon, Musa ukoyika; uya kuthabathela kweli xesha ubambisa abantu.

11Bakuyifikisa imikhombe emhlabeni, bashiya into yonke, bamlandela.

Ukuphiliswa koneqhenqa
(UMat. 8:1-4)

12Kwathi ekomnye umzi, babona ngendoda ezele liqhenqa; yathi yakumbona uYesu, yawa ngobuso, yamkhunga, isithi, Nkosi, ukuba uyathanda, unako ukundihlambulula.

13Wasolula isandla, wayichukumisa, esithi, Nbiyathanda, hlambuluka. Lathi kwaoko iqhenqa lemka kuyo.

14Wayithethela yena ngelithi, mayingaxeleli bani. Wathi, Yiya kuzibonisa kumbingeleli, usondeze idini, ngenxa yokuhlanjululwa kwakho, njengoko wamisayo uMoses, kube bubungqina kubo.

15Kwaba kukhona ke luhlakazekayo udaba ngaye; kwaye kubuthelana izihlwele ezikhulu ukuza kuphulaphula, nokuphiliswa nguye ebulwelweni bazo.

16Waye ke yena emana ukuzisithelisa ezindaweni eziziintlango, athandaze.

Ukuphiliswa konedumbe
(UMat. 9:1-8)

17Kwathi ke ngamini ithile wafundisa. Kwaye kuhleli abaFarisi nabafundisimthetho, ababephume kuyo yonke imizana yelaseGalili, neyelakwaYuda, naseYerusalem; aye ekho amandla eNkosi ukuba abaphilise.

18Kwabonakala amadoda ethwele ngokhuko umntu onedumbe; ayefuna ukumngenisa, ambeke phambi kwakhe.

19Athi, akuba engafumani ndawo angamngenisa ngayo ngenxa yesihlwele, akhwela phezu kwendlu, agqobhoza ezifulelweni, amhlisa ndawonye nokhuko, ambeka phakathi, phambi koYesu.

20Akulubona ke ukholo lwawo, wathi kuye, Mntundini, ùzixolelwe izono zakho.

21Baqala ukucamanga ababhali nabaFarisi, besithi, Ngubani na lo uthetha izinyeliso? Ngubani na onako ukuxolela izono, ingenguye uThixo yedwa?

22Eziqiqile ke uYesu izicamango zabo, waphendula wathi kubo, Nicamanga ntoni na ezintliziyweni zenu?

23Okhona kulula kukuphi na: kukho ukuthi, Ùzixolelwe izono zakho; kukho nokuthi, Vuka uhambe?

24Ke ukuze nazi, ukuba unalo igunya uNyana woMntu lokuxolela izono emhlabeni apha (selesithi konedumbe), ndithi kuwe, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uye endlwini yakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Usuke wema kwangoko phambi kwabo, wayithabatha loo nto abelele kuyo, wemka waya endlwini yakhe, ezukisa uThixo.

26Besuka bathi nqa bonke, bamzukisa uThixo, bazala kukoyika, besithi, Sibone izanga namhlanje.

Ukubizwa kukaLevi
(UMat. 9:9-13)

27Ke kaloku, emveni kwezi zinto waphuma, wabona umbuthi werhafu, ogama linguLevi, ehleli endaweni yerhafu, wathi kuye, Ndilandele.

28Washiya konke, wesuka wamlandela.

29Waza uLevi wamenzela isidlo esikhulu endlwini yakhe. Kwaye kukho iqela elikhulu lababuthi berhafu nelabanye, ababehleli ngasesithebeni nabo.

30Baye ababhali babo nabaFarisi bebakrokrela abafundi bakhe, besithi, Kungani na ukuba nidle nisele nababuthi berhafu naboni?

31Waphendula uYesu wathi kubo, Akufuneki gqirha kwabaphilileyo, lifuneka kwabafayo.

32Andizé kubiza malungisa, ndize kubiza aboni, ukuba baguquke.

Ukuzila ukudla
(UMat. 9:14-17)

33Ke kaloku bathi kuye, Kungani na ukuba abafundi bakaYohane bazile ukudla futhi, benze nezikhungo; benjenjalo nababaFarisi; kanti ke bona abakho bayadla basele?

34Wathi ke kubo, Ninako yini na ukubazilisa ukudla abegumbi lomtshakazi, xa asenabo umyeni?

35Kodwa kofika mihla awoza asuswe kubo umyeni, bandule ke ukuzila ngaloo mihla.

36Ke kaloku wabethetha nomzekeliso kubo esithi, Akukho ubeka isiziba sengubo entsha engutyeni endala; okanye wóba ukrazula leyo intsha, sithi nesiziba eso sentsha singavumani nendala.

37Kanjalo akukho utha iwayini entsha ezintsubeni ezindala; okanye yozigqabhuza iintsuba iwayini entsha, iphalale yona, zitshabalale neentsuba.

38Yona iwayini entsha ifanele ukuthiwa ezintsubeni ezintsha zigcinakale ezo zinto zombini.

39Kanjalo akukho uthi, ebesele endala, athande entsha kwaoko; ngokuba uthi, Endala yeyona inencasa.

ULuka 6

UYesu uyiNkosi yesabatha

© 1975 Bible Society of South Africa.

(UMat. 12:1-8)

1Kwathi ngesabatha ethile, wacanda emasimini; baye abafundi bakhe besikha izikhwebu, bazidla, bezihlikihla ngezandla.

2Bathe ke abathile babaFarisi kubo, Yini na ukuba nenze oko kungavumelekileyo ngesabatha?

3Wabaphendula uYesu wathi, Anikhanga nikulese na oko wakwenzayo uDavide, mhlenikweni walambayo, yena nabo babenaye?

4Okokuba wangena endlwini kaThixo, wazithabatha izonka ezibekwe phambi koThixo, wazidla, wanika nabo babenaye, ezo ke kungavumelekileyo ukuba zidliwe bantu, ingengabo ababingeleli bodwa?

5Wayesithi kubo, uNyana woMntu lo uyiNkosi yayo nesabatha.

Ukuphiliswa kowome isandla

(UMat. 12:9-14)

6Kwathi ke kaloku, nangenye isabatha wangena endlwini yesikhungu, wafundisa. Kwaye kukho apho umntu owome isandla sokunene.

7Baye ke bemlalele ababhali nabaFarisi, ukuba wophilisa na ngesabatha; ukuze bafumane indawo yokummangalela.

8Kodwa yena ebezazi izicamango zabo, wathi kuloo mntu usandla somileyo, Phakama, umele phakathi. Usukile ke wema.

9Uthe ngoko uYesu kubo, Ndiya kunibuza into: okuvumelekileyo ngesabatha kukwenza okulungileyo, kukwenza okubi, kusini na? Kukusindisa ubomi, kukubulala, kusini na?

10Akuba ebasingasingile bonke, wathi kumntu lowo, Solule isandla sakho. Wenjenjalo ke; sabuya saphila ke isandla sakhe, saba kwanjengesinye.

11Basuka ke bona baphambana ngumsindo; babethethana bodwa, ukuba bangamenza ntoni na uYesu.

Ukunyulwa kwabalishumi elinababini

(UMat. 10:1-4)

12Kwathi ke ngaloo mihla, waphuma wasinga entabeni, esiya kuthandaza. Wayebudlulisa ubusuku bonke ngokuthandaza kuThixo.

13Kwathi kwakusa, wababizela kuye abafundi bakhe, wanyula kubo balishumi elinababini, awathi kananjalo wabathiya elokuba ngabapostile:

14uSimon, awamthiya nelokuba nguPetros, noAndreya, umzalwana wakhe; uYakobi noYohane; uFilipu noBhartolomeyu; uMateyu noTomas;

15uYakobi, lo ka-Alifeyu, noSimon, ekuthiwa ngumZeloti;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16uYuda kaYakobi, noYuda Sikariyoti, owaba ngumngcatshi.

Intshumayelo yasentabeni
(UMat. 5-7)

17Wehla nabo, wema endaweni ethe tyaba, neqela labafundi bakhe, nenkitha enkulu yabantu, bevela kulo lonke elakwaYuda, naseYerusalem, nakulo ilizwe elingaselwandle laseTire neTsidon, ababeza kumva, nokuba baphiliswe kuzo izifo zabo;

18nabò babekhathazwa ngoomoya abangcolileyo, baye bephiliswa.

19Zaye izihlwele zonke zifuna ukumchukumisa; ngokuba kube kuphuma amandla kuye, abaphilise bonke.

20Waza yena wawaphakamisela amehlo akhe kubo abafundi bakhe, wathi, Ninoyolo, nina mahlwempu; ngokuba bobenu ubukumkani bukaThixo.

21Ninoyolo, nina nilambayo kalokunje; ngokuba niya kuhluthiswa. Ninoyolo, nina nililayo kalokunje; ngokuba niya kuhleka.

22Ninoyolo nina, xa bathe abantu banithiya, naxa bathe banigxotha kubo, baningcikiva, balilahlela phandle igama lenu ngokungathi likhohlakele, ngenxa yakhe uNyana woMntu.

23Vuyani ngaloo mini, nisuke imitsi; kuba, niyabona, umvuzo wenu mkhulu emazulwini; babesenjenjalo ooyise kubo abaprofeti.

24Kodwa yeha, nina zityebi! ngokuba niyifincile intuthuzelo yenu.

25Yeha, nina nihluthiyo! ngokuba niya kulamba. Yeha, nina nihlekayo kalokunje! ngokuba niya kukhedama nilile.

26Yeha nina, xa bathe bathetha kakuhle ngani bonke abantu! kuba ooyise babo babesenjenjalo kubaprofeti ababuxoki.

27Kodwa ke mna ndithi kuni nivayo, Zithandeni iintshaba zenu; yenzani okulungileyo kwabo banithiyayo.

28Basikeleleni abo baniqalekisayo, nibathandazele abo banigxekayo.

29Lowo ukubetha esidleleni, mnikele nesinye; nóthabatha ingubo yakho yokwaleka, ungali neyangaphantsi.

30Bonke ke abacela kuwe, baphe; kothabatha izinto zakho, ungabuye uzibize.

31Enithanda ukuba abantu benze ngako kuni, yenzani nani kwangokunjalo kubo.

32Ukuba nithanda abo banithandayo, ninambulelo mni na? Ngokuba naboni bayabathanda abo babathandayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Xa nithi nenze okulungileyo kwabanenzela okulungileyo, ninambulelo mni na? Ngokuba naboni benza kwaloo nto.

34Xa nithi niboleke abo nithembe ukubuya nizuze kubo, ninambulelo mni na? Kuba naboni bayababoleka aboni, ukuze babuye bazuze kwangangoko.

35Ke nina, zithandeni iintshaba zenu, nenze okulungileyo; niboleke ningathembe lutho. Woba mkhulu ke umvuzo wenu, nize nibe ngoonyana bOsenyangweni; ngokuba yena enobubele kwabangabuleliyo nabangendawo.

36Ngoko ke yibani nenceba, njengokuba naye uYihlo enenceba.

37Musani ukugweba, naye ningasayi kugwetywa; musani ukusingela phantsi, naye ningasayi kusingelwa phantsi; khululani, naniya kukhululwa.

38Yiphani, naniya kuphiwa nani; umlinganiselo omhle, ohlohliweyo, ohlunguzelweyo, ophalalayo, nowuphiwa esondweni lengubo yenu; kuba umlinganiselo enilinganisela ngawo, niya kulinganiselwa kwangawo nani.

39Ke kaloku wathetha umzekeliso kubo, esithi, Ingákhe ibe nako na imfama ukukhokela imfama? Aziyi kuthi na zombini zeyele emhadini?

40Akukho mfundi mkhulu kunomfundisi wakhe; ke wonke olungiswe kwaphela, uya kuba njengomfundisi wakhe.

41Yini na ke ukuba usibone isibi esisesweni lomzalwana wakho, kanti ke wona umqadi okwelakho iliso akuwuqiqi?

42Ungáthini na ukuba nako ukuthi kumzalwana wakho, Mzalwana, yeka ndisikhuphe isibi esisesweni lakho, ungawuboni nje wena umqadi okwelakho iliso? Mhanahanisindini, wukhuphe kuqala umqadi lowo esweni lakho, wandule ukubona kakuhle ukusikhupha isibi esisesweni lomzalwana wakho.

43Kuba akukho mthi mhle uvelisa isiqhamo esibi; kanjalo akukho mthi mbi uvelisa isiqhamo esihle.

44Kuba umthi wonke waziwa ngesiqhamo sawo; kuba kungàkhiwa makhiwane emithaneni enameva, kanjalo kungàbuthwa diliya equnubeni.

45Umntu olungileyo, ebuncwaneni obulungileyo bentliziyo yakhe, uvelisa oko kulungileyo; nomntu okhohlakeleyo, ebuncwaneni obukhohlakeleyo bentliziyo yakhe, uvelisa oko kukhohlakeleyo; kuba umlomo wakhe uthetha ngokuphuphuma kwentliziyo.

46Yini na ke ukuba nindibize ngokuthi, Nkosi, Nkosi, nibe ningazenzi izinto endizithethayo?

47Wonke ke umntu ozayo kum, aweve amazwi am awenze, ndonibonisa lowo afana naye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

48Ufana nomntu owákha indlu, wemba wangxoka isiseko, wasibeka phezu kolwalwa.
Kwathi, kwakubakho umkhukula, wagaleleka kuloo ndlu umlambo, awaba nako
ukuyishukumisa; kuba ibisekwe phezu kolwalwa olo.

49Kodwa lo uwevileyo àkawenza, ufana nomntu owakhé indlu phezu komhlaba,
kungekho siseko; wagaleleka kuyo umlambo, yawa kwaoko; kwathi ukuwa kwaloo
ndlu kwakukhulu.

ULuka 7

Ukuphiliswa komkhonzi womthetheli-khulu

(UMat. 8:5-13)

1Ke kaloku, emveni kokuba ebewagqibile onke amazwi akhe, besiva abantu,
wangena eKapernahum.

2Waye ke umkhonzi womthethelikhulu othile, owabethandwa nguye, esifa, eza
kubhubha.

3Uthe ke akuva ngaye uYesu, wathuma kuye amadoda amakhulu amaYuda, emcela
ukuba eze kumsindisa umkhonzi wakhe.

4Akufika ke kuYesu, ambongoza enyamekile, esithi, Úkufanele oko lowo
ùngamenzelayo oko;

5kuba úyaluthanda uhlanga lwethu, wasakhela nendlu yesikhungu yena.

6Wahamba ke uYesu nabo. Akubon' ukuba ke àkasekude endlwini, umthetheli-khulu
wathuma izihlobo kuye, esithi kuye, Nkosi, ungàzikhathazi, kuba andikulingene
ukuba ungade ungene phantsi kophahla lwam;

7kungoko nam ndingàkufanelanga ukuda ndize; thetha ngezwi lodwa, wóphiliswa
umkhonzi wam;

8kuba nam ndingumntu omiswe phantsi kwegunya labanye, ndinamasoldati aphantsi
kwam; ndithi kweli, Yiya, liye; kweliya, Yiza, lize; kumkhonzi wam, Yenza oku,
akwenze.

9Ezivile ke uYesu ezi zinto, wamangaliswa nguye, waguqukela kwindimbane
ebimlandela, wathi, Ndithi kuni, andifumananga lukholo lungaka nakwaSirayeli.

10Abo babethunyiwe babuyela endlwini, bamfumana umkhonzi obengumlwelwe
ephilile.

Ukuvuswa konyana womhlolokazi waseNayin

11Kwathi ngomhla olandelayo, waya emzini ekuthiwa yiNayin. Kwaye kuhamba naye
iqela labafundi bakhe, nendimbane enkulu.

12Ke kaloku, akusondela esangweni lomzi lowo, kwabonakala kuthwalelwa phandle
umntu ofileyo, ekuphela konyana ozalwa ngunina; waye yena engumhlolokazi. Yaye
nendimbane elingeneyo yomzi inaye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ithe ke iNkosi yakumbona, yasikwa yimfesane ngenxa yakhe, yathi kuye, Musa ukulila.

14Yafika ke yalichukumisa ithala, bema ke ababethwele. Yathi, Ndodana, ndithi kuwe, Vuka.

15Wavuka wahlala umfi lowo, waza ke wathetha. Yamnikela ke kunina.

16Bangenwa ke kukoyika bonke. Babemzukisa uThixo, besithi, Kuvele umprofeti omkhulu phakathi kwethu; besithi, Ubavelele uThixo abantu bakhe.

17Lwaphuma ke olo ludaba lungaye, lwahamba kwelakwaYuda liphela, nakuloo mmandla wonke.

UYohane umbhaptizi uthumela abafundi ababini kuYesu

(UMat. 11:1-19)

18Bazibika kuYohane abafundi bakhe zonke ezi zinto.

19Ebizele kuyebabini bathile kubafundi bakhe, uYohane wabathuma kuYesu esithi, Wena ungulowo uzayo na, silinde omnye, sini na?

20Efikile ke kuye amadoda lawo, athi, UYohane umbhaptizi usithume kuwe esithi, Wena ungulowo uzayo na, silinde omnye, sini na?

21Ke kaloku, kwangelo lixa, waphilisa abaninzi kuzo izifo, nakuzo izibetho, nakoomoya abakhohlakeleyo, wathi iimfama ezininzi wazibabala ukubona.

22Waphendula uYesu wathi kuwo, Hambani niye kumbikela uYohane izinto enizibonileyo nenizivileyo; okokuba iimfama zibuya zibone, iziqhwala ziyahamba, abaneqhenqa bayahlanjululwa, izithulu ziyeva, abafileyo bayavuswa, amahlwempu ayazishunyayezwa iindaba ezilungileyo.

23Unoyolo othe akakhutyekiswa ndim.

24Ke kaloku, bakubon' ukuba bemkile abathunywa bakaYohane, waqala wathi kwisihlwele ngaye uYohane, Nayé niphume naya kubona ntoni na entlango? Yaye iyingcongolo na, izanyazanyiswa ngumoya?

25Naye niphume naya kubona ntoni na kodwa? Yaye ingumntu ovethe iingubo ezitofotofo na? Yabonani, abo banxiba iingubo eziqaqambileyo, badle ubuncwane, ngabasezindlwini zookumkani.

26Nayé niphume naya kubona ntoni na kodwa? Yaye igumprofeti na? Ewe, ndithi kuni, nóde wagqithisa kumprofeti.

27Lo ngulowo kubhaliweyo ngaye kwathiwa, Niyabona, mna ndiyamthuma umthunywa wam ngaphambi kobuso bakho, Oya kuyilungisa indlela yakho phambi kwakho. (UMal. 3:1)

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Kuba ndithi kuni, Akukho namnye, kwabazelweyo ngabafazi, umprofeti omkhulu kunoYohane umbhaptizi; kanti ke nomncinanana kwabanye ebukumkanini bukaThixo, mkhulu kunaye.

29Bathi bonke abantu, bakuva, nababuthi berhafu, bagwebela uThixo, bebhaptiziwe ngobhaptizo lukaYohane.

30Ke bona abaFarisi nabaqondisi-mthetho bazitshitshisela icebo likaThixo, kuba bengabhaptizwanga nguye.

31Ithe ke iNkosi, Ndiya kubafanisa nantoni na ke ngoko abantu besi sizukulwana?

32Bafana nantoni na? Bafana nabantwana abahleli endaweni yembutho, bekhwazana besithi, Sanigwalela, naza nina anaduda; sanihlabela isililo, naza nina analila.

33Kuba uzile uYohane umbhaptizi engadli sonka, engaseli wayini; nithi ke, Únedemon.

34Uzile uNyana woMntu esidla, esela; nithi, Khanibone umntu olidla-kudla, olisela-wayini, umhlobo wababuthi berhafu nowaboni!

35Noko ke ubulumko bugwetyelwe kokuphuma ebantwaneni babo bonke.

Umfazi ongumoni uthambisa iinyawo zikaYesu

36Ke kaloku omnye umFarisi ubemcela ukuba adle naye; waza wangena endlwini yomFarisi lowo, wangqengqa.

37Kwabonakala kukho mfazi emzini apho, obengumoni; wathi, àkwazi ukuba uhleli endlwini yomFarisi, wazisa ihlala lelabhastile, linamafutha aqholiweyo.

38Wema ezinyaweni zakhe ngasemva, elila; waqala ukuzinyela iinyawo zakhe ngeenyembezi, ezisula ngeenwele zentloko yakhe, ezanga kakhulu iinyawo zakhe, ezithambisa ngamafutha lawo.

39Akukubona ke oko umFarisi lowo ubembizile, wathetha ngaphakathi kwakhe, esithi, Lo mntu, ukuba ube engumprofeti, ange esazi ukuba ngumfazi ongubani na, oluhlobo luni na, lo umchukumisayo; ngokuba ungumoni.

40Waphendula uYesu wathi kuye, Hina, Simon, ndinendawo yokuthetha kuwe. (Athi ke yena, Thetha, Mfundisi.)

41Kwaye kukho mboleki-mali uthile, enabantu ababini abanamatyala kuye; omnye wayenetyala leedenariyo ezimakhulu mahlanu, omnye ke zimashumi mahlanu.

42Bakuba ke bengenanto yokuhlawula, usuke wabaxolela bobabini. Khawutsho ke, nguwuphi na kubo oya kumthanda ngokungaphezulu?

43Waphendula uSimon wathi, Ndiba ngulowo uxolelwe ngokungaphezulu. Wathi ke yena kuye, Wahlulé walungisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

44Wajika wakhangela kumfazi, wathi kuSimon, Ùyambona na lo mfazi? Ndingené endlwini yakho, akundinikanga manzi eenyawo zam; ke yena uzinyele iinyawo zam ngeenyembezi, wazisula ngeenwele zentloko yakhe.

45Akundanganga wena; ke yena, kuseloko ndangenayo, akayekanga ukuzanga kakhulu iinyawo zam.

46Intloko yam akuyithambisanga ngaoli; ke yena iinyawo zam uzithambise ngamafutha aqholiweyo.

47Ngenxa yoko ndithi kuwe, Izono zakhe uzixolelwe, bezizininzi; ngokuba úthandé kakhulu; ke yena oxolelwe kancinane, uthanda kancinane.

48Wathi ke kuye, Zixolelwe izono zakho.

49Baqala abo babehleli naye esithebeni ukuthi ngaphakathi kwabo, Ngubani na lo uxolela nezono?

50Uthe ke kumfazi, Ukholo lwakho lukusindisile, hamba ngoxolo.

ULuka 8

Abafazi ababemlungiselela uYesu ngeempahla zabo

1Kwathi emva koko, wayihamba imizi ngemizi, nemizana ngemizana, ezivakalisa ezishumayela iindaba ezilungileyo zobukumkani bukaThixo; babenaye abalishumi elinababini.

2Nabafazi abathile ababephiliswe koomoya abangendawo nasebulwelweni, uMariya okuthiwa ngowaseMagadala, ekwakuphume kuye iidemon zosixhenxe,

3noYohana, umfazi kaKuza, igosa likaHerode, noSusana, nabanye abaninzi; bona babemlungiselela ngeempahla zabo.

Umzekeliso womhlwayeli

(UMat. 13:1-23)

4Ke kaloku, kwakubon' ukuba kuntontelene isihlwele esikhulu, bathi nabemizi ngemizi bawomela kuye.

5Wathi ngomzekeliso, Umhlwayeli waphuma waya kuyihlwayela imbewu yakhe. Ekuhlwayeleni kwakhe yawa enye ngasendleleni, yanyathelwa, zathi iintaka zezulu zayidla zayigqiba.

6Yimbi yawa elulwalweni, yathi isahluma, yatsha ngenxa yokuba ibingenakunyakama.

7Yimbi yawa phakathi kwemithana enameva, yasuka imithana enameva yahluma kunye nayo, yayiminxa.

8Yimbi yawa kuwo wona umhlaba olungileyo, yahluma, yavelisa isiqhamo kalikhulu. Uthe ezithetha ezi zinto, waye edanduluka esithi, Lowo uneendlebe zokuva makeve.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Baye ke abafundi bakhe bembuza besithi, Úngaba uyintoni na lo mzekeliso?

10Uthe ke yena, Nikuphiwe nina ukuzazi iimfihlelo zobukumkani bukaThixo; ke kwabanye bona kungemizekeliso, ukuze bebona nje bangaboni, besiva nje bangaqondi.

11Ke kaloku umzekeliso nguwo lo:

12Imbewu le lilizwi likaThixo. Abo ke bangasendleleni ngabo bevayo, andule afike uMtyholi, alisuse ilizwi entliziyweni yabo, ukuze bangakholwa basindiswe.

13Abo ke baselulwalweni ngabasakuthi, bakuliva, balamkele ngovuyo ilizwi; aba ke àbanangcambu; bona bakholwa umzuzwana, ze bathi ngexa lokuhendwa balahle.

14Leyo ke yawayo emithaneni enameva, ngabo bathi, belivile, bahambe benamaxhala nobutyebi neziyolo zobu bomi, baminxwe, baze bangavelisi siqhamo.

15Ke leyo isemhlabeni omhle, ngabo bona bathi ngentliziyo entle, elungileyo, bakuliva ilizwi, balibambe, bavelise iziqhamo benomonde.

Umzekeliso wesibane

(UMark. 4:21-25)

16Akukho ke uthi, esilumekile isibane, asisibeke ngesitya, athi mhlawumbi asibeke ngaphantsi kwesingqengqelo; usibeka esiphathweni saso, ukuze abo bangénayo bakubone ukukhanya.

17Kuba akukho nto ifihlakeleyo ingayi kubonakala; kanjalo akukho ifihlakeleyo ingayi kwazeka, ize ekuhléni.

18Lumkani ngoko ukuva eniva ngako; kuba osukuba enako, uya kunikwa; nosukuba engenako, uya kuhluthwa noko ngathi unako.

Izizalwane zenene zikaYesu

(UMat. 12:46-50)

19Ke kaloku kwafika kuye unina nabazalwana bakhe, baza àbaba nako ukufikelela kuye ngenxa yesihlwele.

20Wabikelwa ke, kusithiwa, Unyoko nabazalwana bakho bemi ngaphandle, befuna ukukubona.

21Waphendula ke yena wathi kubo, Uma nabazalwana bam ngaba bona balivayo ilizwi likaThixo, balenze.

UYesu uzolisa uqhwithela

(UMat. 8:23-27)

22Kwathi ngamhla uthile, waya kungena emkhombeni kwanabafundi bakhe, wathi kubo, Masiwele, siye ngaphesheya kwedike; banduluka ke.

23Ke kaloku, bakubon' ukuba bayahamba ngomkhombe, walala ubuthongo. Kwehla uqhwithela lomoya edikeni apho, waye uzala ngamanzi usengozini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Beza ke bamvusa, besithi, Mongameli, Mongameli, satshabalala. Wavuka ke yena,
wawukhalimela umoya nokulatyuza kwamaza; zapheza ezo zinto, kwabakho ukuzola.

25Wathi ke kubo, Luphi na ukholo lwenu? Bathe, kuba besoyika, bamangaliswa,
besitshono ukuthi, Ngubani na ke lo, le nto ayithethela imimoya kwanamanzi,
zimlulamele ezo zinto?

Obephethwe ziidemon waseGadara

(UMat. 8:28-34)

26Bahambela ngomkhombe ezweni laseGadara, elikhangelene nelaseGalili.

27Ke kaloku, akuphumela emhlabeni, kwaqubisana naye indoda ethile iphuma
emzini, esekukade ineedemon. Yayingambathi ngubo, ingahlali ndlwini, isuka ihlale
emangcwabeni.

28Ithe ke yakumbona uYesu, yakhala kunene, yawa phambi kwakhe, yathi ngezwi
elikhulu, Yini na enam nawe, Yesu, Nyana kaThixo Osenyangweni? Ndiya kukhunga
ukuba ungandithuthumbisi.

29Kuba ebewuthethele umoya ongcolileyo ukuba uphume emntwini lowo. Kuba
bekuba futhi umthi hlasi; wayebotshwa ngemixokelelwane nangamakhamandela,
egciniwe; asuke azijace izibophelelo aqhutyelwe yidemon entlango.

30UYesu wambuza ke esithi, Ungubani na igama lakho? Uthe ke yena, NdinguMkhosi;
kuba kwakungene kuye iidemon ezininzi.

31Wayembongoza ukuba angazithetheli ziye kungena enzonzobileni.

32Bekukho ke apho ugxuba lweehagu ezininzi, lusidla entabeni; zaye zimbongoza,
ukuba azivumele ziye kungena kuzo.

33Wazivumela ke. Ziphumile ke iidemon emtwini lowo, zangena ezihagwini; lwaza
ugxuba olo lwaphaphatheka, lwehla eweni, lwela edikeni, lwarhaxwa.

34Bakukubona ke okuhlileyo abo babezalusa, basaba, baya babika ekhaya
nasemaphandleni.

35Baphuma ke abantu, baya kukubona okuhlileyo; beza kuYesu, bamfumana ehleli
umntu lowo, beziphume kuye iidemon, ambathisiwe, enengqondo ephilileyo,
engasezinyaweni zikaYesu; baza boyika.

36Bathi ke nabo babonileyo, bababikela ukuba uthiweni na ukuphiliswa obephethwe
ziidemon.

37Yamcela yonke inkitha yommandla wabaseGadara, ukuba emke kubo; ngokuba
babebanjwe kukoyika okukhulu. Uthe ke yena, engene emkhombeni, wabuya.

38Ke kaloku indoda leyo, zaye ziphume kuyo iidemon, yayimkhunga ukuba ibe naye.
Ke yena uYesu wayindulula, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Buyela endlwini yakho, ubacacisele oko zingako izinto uThixo akwenzele zona. Yemka, yavakalisa kuwo wonke umzi oko zingako izinto uYesu ayenzele zona.

Intombi kaYayiro. Intokazi eyayinethombo legazi
(UMat. 9:18-26)

40Kwathi ke kaloku, ekubuyeni kukaYesu, zamamkela izihlwele; kuba bonke babemlindile.

41Kwabonakala kusiza indoda egama linguYayiro; yaye yona ingumphathi wendlu yesikhungu. Yawa ezinyaweni zikaYesu, yayimbongoza ukuba eze endlwini yayo.

42Kuba yabe inentombi, iyizala inye, eminyaka ngathi ilishumi linamibini izelwe; yaye yona iqhawuka. Ke kaloku, ekuyeni kwakhe apho, izihlwele bezimxinile.

43Nentokazi eyayinethombo legazi iminyaka elishumi linamibini, eyayithe yona phezu koko yadleka impahla yayo iphela ngamagqirha, ayaba nako ukuphiliswa bani,

44yeza ngasemva, yachukumisa umqukumbelo wengubo yakhe, lee qoko kwangoko ithombo legazi layo.

45Wathi uYesu, Ngubani na lo undichukumisileyo? Bakuba bekhanyela bonke, wathi uPetros nabo babenaye, Mongameli, izihlwele zikuxina, zikukhandanisa nje, ùthi na, Ngubani na lo undichukumisileyo?

46Uthe ke uYesu, Úkho ondichukumisileyo; kuba mna ndiyawazi amandla aphumileyo kum.

47Ithe ke intokazi leyo, yakubona ukuba ayifihlakele, yeza igubha, yawa phambi kwakhe, yaxela emehlweni abo bonke abantu, ukuba bekungasizathu sini na ebimchukumisile, nokuphiliswa kwayo kwangoko.

48Uthe ke yena kuyo, Yomelela, ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile; hamba ngoxolo.

49Kuthi, esathetha, kufike othile, evela kwamphathi-ndlu yesikhungu, esithi kuye, Ibhubhile intombi yakho; musa ukumkhathaza uMfundisi.

50Ekuvile ke oko uYesu, umphendule wathi, Musa ukoyika; kholwa wena kuphela, yosindiswa.

51Ke kaloku, engenile endlwini, akavumelanga mntu ukuba angene naye, kwaba kuphela nguPetros, noYohane, noYakobi, noyise wentombi, nonina.

52Baye ke bonke belila, beyimbambazelela. Wathi ke yena, Musani ukulila; ayifile, ilele nje kodwa.

53Basuka bamwa ngeentsini, besazi ukuba ifile.

54Uthe ke yena, wabakhuphela phandle bonke, wayibamba ngesandla, wabiza esithi, Ntombi, vuka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

55Wabuya umoya wayo, yesuka yema kwangoko; wamisa ukuthi mayinikwe into, idle.

56Besuka abazali bayo bathi nqa; wabathethela ukuba bangakuxeleli bani okuhlileyo.

ULuka 9

Ukuthunywa kwabalishumi elinababini
(UMat. 10)

1Ke kaloku, ebabizele ndawonye abafundi bakhe abalishumi elinababini, wabanika amandla negunya kuzo zonke iidemon, nokuphilisa izifo.

2Wabathuma ukuba babuvakalise ubukumkani bukaThixo, bayiphilise imilwelwe.

3Wathi kubo, Ningàphathi nto yandlela, namisimelelo, nangxowa yamphako, nasonka, namali, ningabi nangubo zangaphantsi ngambini;

4nasendlwini enithe nangena kuyo, hlalani khona, ukumka nisuke khona.

5Abo sukuba benganamkeli, yithini nakuphuma kuloo mzi, niluvuthulule nothuli ezinyaweni zenu, kube bubungqina oko kubo.

6Bephumile ke, bayihambahamba imizana, bezishumayela iindaba ezilungileyo, bephilisa ezindaweni zonke.

UHerode uyathingaza
(UMat. 14:1-12)

7Ke kaloku uHerode, umphathi wesahlulo sesiné selizwe, waziva zonke izinto ezenziwayo nguye; wesuka wathingaza, ngenxa yokuba bekusithiwa ngabanye, Kuvuke uYohane kwabafileyo;

8kuthiwe ke ngabanye, Kubonakale uEliya; kuthiwe ngabanye, Kubuye kwavuka umprofeti wakuwo amanyange.

9Wathi uHerode, UYohane mna ndamnqamla intloko; lo ke ngubani na, ndiva kuthethwa izinto ezinje ngaye. Wayefuna ke ukumbona.

Ukutyiswa kwesihlwele okokuqala
(UMat. 14:13-21)

10Bebuyile abapostile, bamcacisela ukuba zinkulu kwezinto ababezenzile. Wabathabatha, wasithela endaweni eyintlango yomzi okuthiwa yiBhetesayida.

11Zithe ke zakwazi izihlwele, zamlandela. Wazamkela ke; wayethetha kuzo ngabo ubukumkani bukaThixo; wayebaphilisa ababeswele impilo.

12Ke kaloku yaqala ukumka imini. Beza ke abalishumi elinababini, bathi kuye, Zindulule izihlwele, ukuze bemke, baye emizini ejikelezileyo, nasemaphandleni, balale, ze bafumane into edliwayo; ngokuba apha sikwindawo eyintlango.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Uthe ke kubo, Bapheni nina badle. Bathi ke bona, Akukho nto sinayo ingaphezu
kwezonka ezihlanu neentlanzi ezimbini; singaba kambe siya kuya sibathengele izinto
ezidliwayo bonke aba bantu.

14Kuba amadoda ngathi ayemawaka mahlanu. Wathi ke kubafundi bakhe,
Bangqengqiseni, babe yimityino emashumi ngamahlanu.

15Benjenjalo, babangqengqisa bonke.

16Ezithabathile ke izonka zozihlanu neentlanzi zombini, wakhangela ezulwini,
wazisikelela, waqhekeza; wamana enika abafundi, ukuba babeke ezihlweleni.

17Badla bahlutha bonke; kwasuswa okuseleyo kubo izitya zamaqhekeza zalishumi
elinazibini.

UPetros uvuma ukuba uYesu unguKristu
(UMat. 16:13-20)

18Ke kaloku kwathi, ekubeni ethandaza eyedwa, bantontelana kuye abafundi,
wabuza kubo, esithi, Izihlwele ezi zithi ndingubani na?

19Baphendula ke bona, bathi, Zithi unguYohane umbhaptizi; abanye ke bathi
unguEliya; abanye ke bathi, kubuye kwavuka mprofeti uthile kumanyange.

20Uthe ke kubo, Ke nina nithi ndingubani na? Waphendula ke uPetros wathi, Unguye
uKristu kaThixo.

UYesu ukuxela kwangaphambili ukufa kwakhe
(UMat. 16:21-23)

21Wabakhalimela ke, ebathethela ngelithi, le nto mabangayithethi nakubani; esithi,

22UNyana woMntu umelwe kukuthi eve ubunzima obukhulu, alahlwe ngawo
amadoda amakhulu nababingeleli abakhulu nababhali, abulawe, athi ngomhla
wesithathu, avuke.

Ukuzincama
(UMat. 16:24-28)

23Wayesithi ke kubo bonke, Ukuba ubani uthanda ukundilandela, makazincame,
awuthwale umnqamlezo wakhe imihla ngemihla, andilandele ke.

24Ngokuba osukuba ethanda ukuwusindisa umphefumlo wakhe, wolahlekelwa
nguwo; ke othe wawulahla umphefumlo wakhe ngenxa yam, wowusindisa lowo.

25Kuba kumnceda ntoni na umntu ukuthi azuze ihlabathi liphela, abe ke ezilahlile,
mhlawumbi ezonakalisile?

26Kuba othe waneentloni ngam, nangawo amazwi am, uNyana woMntu woba
neentloni ngaye lowo, xa athe weza esebuqaqawulini bakhe, nobukaYise,
nobezithunywa ezingcwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Ndithi ke kuni, Inyaniso, kukho abathile kwabemiyo apha, abangayi kukha beve kufa, bade babubone ubukumkani bukaThixo.

Ukwenziwa kumila kumbi kukaYesu
(UMat. 17:1-13)

28Ke kaloku kuthe, emveni kwezi zinto, malunga neentsuku ezisibhozo, wathabatha uPetros noYohane noYakobi; wenyuka waya entabeni, esiya kuthandaza.

29Kwathi, ekuthandazeni kwakhe, ubuso bakhe babonakala bububumbi, nengubo yakhe yamhlophe yabengezela.

30Kwabonakala amadoda amabini ethetha naye, engooMoses noEliya,

31ababonakalayo besebuqaqawulini; babethetha ngophumo lwakhe, abeza kulufeza eYerusalem.

32Ke kaloku uPetros, nabo babenaye, babesindwa bubuthongo; baza ke bakuthi balulu, babubona ubuqaqawuli bakhe, naloo madoda mabini abemi naye.

33Ekwahlukaneni kwawo kuye, wathi uPetros kuye uYesu, Mongameli, kuhle ukuba sibe lapha. Masenze ke iminquba ibe mithathu, omnye ube ngowakho, omnye ube ngokaMoses, omnye ube ngokaEliya; watsho engayazi into ayithethayo.

34Kuthe ke, akubon' ukuba uthethe ezo zinto, kwabakho ilifu, labenzela ithinzi. Boyika ke ekungeneni kwabo efini apho.

35Kwabakho nezwi liphuma efini, lisithi, Lo nguNyana wam oyintanda; mveni yena.

36Lakuba libekho izwi elo, wafunyanwa uYesu eyedwa. Bahlala bathi cwaka bona, àbabikela mntu ngaloo mihla kwizinto ababezibonile.

Ukuphiliswa konesathuthwane
(UMat. 17:14-21)

37Ke kaloku kuthe ngomhla olandelayo, bakubon' ukuba bahlile entabeni, wahlangatyezwa sisihlwele esikhulu.

38Kwabonakala kuvela indoda esihlweleni apho, yankqangaza isithi, Mfundisi, ndiyakukhunga, mbone unyana wam; kuba ndimzele wamnye.

39Ùyabona, uthatyathwa ngumoya, akhale kwangesiquphe, umbethe athi xhwenene, ade alephuze amagwebu; uze uthi, umqobile, umke kuye ngenkankulu.

40Ndabakhunga ke abafundi bakho ukuba bawukhuphe; ababa nako.

41Waphendula uYesu wathi, Sizukulwanandini singakholwayo, sigwenxa, koda kube nini na ndikuni, ndininyamezele? Mzise apha unyana wakho.

42Akubon' ukuba useza ke, isuke idemon yamntlala, yambetha, wathi xhwenene kunene. Wawukhalimela ke uYesu umoya ongcolileyo, waphilisa umntwana, wambuyisela kuyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

43Bakhwankqiswa ke bonke bubungangamela bukaThixo.

UYesu okwesibini ukuxela kwangaphambili ukufa kwakhe
(UMat. 17:22,23)

Bakubon' ukuba bamangalisiwe bonke zizinto zonke awazenzayo uYesu, wathi kubafundi bakhe,

44Wabekeleni nina iindlebe la mazwi; kuba uNyana woMntu uza kunikelwa ezandleni zabantu.

45Kodwa bona babengaliqondi eli lizwi; laye lifihliwe kubo, ukuze bangaliboni. Babesoyika nokumbuza ngalo eli lizwi.

Oyena mkhulu ebukumkanini bamazulu
(UMat. 18:1-3)

46Ke kaloku kwangena ukucamanga phakathi kwabo kokuthi, angaba ngubani na omkhulu phakathi kwabo.

47Ekubonile ke uYesu ukucamanga kwentliziyo yabo, uthabathe umntwanana, wammisa ngakuye.

48Wathi kubo, Othe wamamkela lo mntwanana egameni lam, wamkela mna; nothe wamkela mna, wamkela lowo wandithumayo. Kuba lowo umncinane phakathi kwenu nonke, ngoyena mkhulu.

Ongachaseneyo nathi ungecala lethu
(UMarko 9:38-41)

49Waphendula uYohane wathi, Mongameli, sabona othile ekhupha iidemon egameni lakho; samalela, ngokuba engalandelani nathi.

50Wathi uYesu kuye, Musani ukumalela; kuba ongachasene nathi, ungecala lethu.

AmaSamariya akamamkeli uYesu

51Ke kaloku kwathi, yakuzaliseka imihla yokunyuselwa kwakhe phezulu, wazimisela ngokuqinileyo ukuya eYerusalem.

52Wathuma abathunywa phambi kobuso bakhe; behambile ke, bangena emzaneni wamaSamariya ukuba bamlungiselele.

53Akamamkela, ngokuba ubuso bakhe bebubheke eYerusalem.

54Bekubonile ke oko abafundi bakhe, ooYakobi noYohane bathe, Nkosi, uyafuna na ukuba sitsho, kuhle umlilo ezulwini, ubatshise kuphele, njengoko noEliya wenjenjalo?

55Wathi guqugu, wabakhalimela wathi, Anazi ukuba ningabomoya onjani na;

56kuba uNyana woMntu engàze kutshabalalisa miphefumlo yabantu, uzé kusindisa. Baza baya mzaneni wumbi.

Ukulandela uYesu
(UMat. 8:18-23)

© 1975 Bible Society of South Africa.

57Kwathi ke, bakubon' ukuba bayahamba ngendlela, wathi othile kuye, Ndiya
kukulandela, apho uthe waya khona, Nkosi.

58Waza uYesu wathi kuye, Iimpungutye zinemingxuma, neentaka zezulu zineendawo
zokuhlala; ke yena uNyana woMntu akanayo nendawo angalalisa kuyo intloko yakhe.

59Wathi ke kuwumbi, Ndilandele. Uthe ke yena, Nkosi, ndivumele khe ndimke, ndiye
kungcwaba ubawo kuqala.

60Wathi ke uYesu kuye, Bayeke abafileyo, bangcwabe abafileyo babo; ke wena
hamba uye kushumayela ubukumkani bukaThixo.

61Wathi ke nomnye, Ndiya kukulandela, Nkosi; kodwa ndivumele kuqala, khe ndiye
kubulisa abo basendlwini yam.

62Uthe ke uYesu kuye, Akukho namnye usibekileyo isandla sakhe epuluweni, abe
emana ekhangela kokusemva, ubulungeleyo ubukumkani bukaThixo.

ULuka 10

Ukuthunywa nokubuya kwabangamashumi asixhenxe

1Ke kaloku, emveni kwezi zinto, iNkosi yabalula yamisela abanye kanjalo, bemashumi
asixhenxe; yabathuma ngababini phambi kobuso bayo, kuyo yonke imizi neendawo
ebiza kuya kuzo yona.

2Yayisithi ngoko kubo, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi
bambalwa; khungani ngoko eNkosini yokuvuna, ikhuphe abasebenzi, baye ekuvuneni
kwayo.

3Hambani; niyabona, mna ndinithuma njengeemvana phakathi kweengcuka.

4Musani ukuphatha ngxowa yamali, nangxowa yamphako, nazimbadada; ningabulisi
mntu endleleni.

5Nendlu enisukuba ningene kuyo, yithini kuqala, Uxolo malube kule ndlu.

6Ukuba angaba ulapho owoxolo, uxolo lwenu lohlala phezu kwakhe; ukuba ke
akunjalo, lobuyela kwakuni.

7Hlalani ke kuloo ndlu, nisidla nisela izinto abanazo; kuba umsébenzi uwufanele
umvuzo wakhe. Musani ukuphuma ningena zindlwini.

8Emzini ke enisukuba ningena kuwo, banàmkele, yidlani izinto abazibeka phambi
kwenu;

9niyiphilise imilwelwe ekhona, nithi kubo, Busondele kuni ubukumkani bukaThixo.

10Emzini enisukuba ningena kuwo, banganamkeli, phumani niye ezitratweni zawo,
nithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Nothuli lomzi wenu olunamathele kuthi, siluvuthululela kuni; kodwa ke kwazini khona oku, ukuba busondele kuni ubukumkani bukaThixo.

12Ndithi ke kuni, Koba nokunyamezeleka okweSodom ngaloo mini, kunokwaloo mzi.

13Yeha, wena Korazin! Yeha, wena Bhetesayida! Ngokuba imisebenzi yamandla eyenzeke kuni, ukuba yayenzeke eTire naseTsidon, ingeyaguqukayo kwakudala loo mizi, ihleli ngeengubo ezirhwexayo naseluthuthwini.

14Ewe, koba nokunyamezeleka okweTire nokweTsidon ngomgwebo kunokwenu.

15Nawe Kapernahum, uphakanyiselweyo ezulwini, uya kuphoswa phantsi kwelabafileyo.

16Lowo univayo nina, uva mna; nalowo unigibayo nina, ugiba mna; lowo ke ugiba mna, ugiba lowo wandithumayo.

17Ke kaloku babuya abamashumi asixhenxe bevuyile, besithi, Nkosi, needemon ezi zisithobele egameni lakho.

18Uthe ke kubo, Bendimbona uSathana njengombane esiwa ezulwini.

19Niyabona, ndininika igunya lokunyathela phezu kweenyoka noonomadudwane, naphezu kwawo onke amandla alo utshaba; kanjalo akukho nto ingakhe inenzakalise.

20Noko ke maningakuvuyeli oku, kokuba oomoya benithobele; vuyelani ke kanye okokuba amagama enu ebhaliwe emazulwini.

21Ngelo lixa wagcoba uYesu ngomoya, wathi, Ndiyabulela kuwe, Bawo, Nkosi yezulu nomhlaba; ngokuba ezi zinto uzifihlile kwizilumko neengqondi, wazityhilela iintsana; ewe, Bawo, ngokuba kwakholeka kuwe ukuba kube njalo.

22Zonke izinto zinikelwe kum nguBawo; kanjalo akukho waziyo ukuba ungubani na uNyana, nguYise yedwa; nokuba úngubani na uYise, nguNyana yedwa, nalowo asukuba uNyana ethanda ukumtyhilela.

23Wathi guqugu kubafundi bakhe, wathi ngasese, Anethamsanqa wona amehlo abona izinto enizibonayo.

24Kuba ndithi kuni, Baninzi abaprofeti nookumkani ababethande ukubona izinto enizibonayo nina, àbazibona; nokuva izinto enizivayo, àbaziva.

Umzekeliso womSamariya olungileyo

25Kwabonakala kusuka umqondisimthetho othile, emlinga nokumlinga, esithi, Mfundisi, ndénze ntoni na ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?

26Uthe ke yena kuye, Emthethweni kubhalwe ntoni na? Ulesa njani na?

27Waphendula ke wathi, Ùze uyithande iNkosi uThixo wakho ngentliziyo yakho iphela, nangomphefumlo wakho uphela, nangamandla akho ephela, nangengqondo yakho iphela; nommelwane wakho, njengoko uzithanda ngako.

© 1975 Bible Society of South Africa.

28Uthe ke kuye, Ùphendule walungisa; yenza oko, wobudla ubomi.

29Ke kaloku yena, ethanda ukuzigwebela, wathi kuYesu, Ngubani na ongummelwane wam?

30Uphendule ke uYesu, wathi, Umntu othile wayesihla evela eYerusalem, esiya eYeriko. Wagaxeleka ezihangeni, ezambhunyula iingubo, zamngxwelerha, zemka, zimshiya engathi uza kufa.

31Ke kaloku kwathi, kwehla mbingeleli uthile ngaloo ndlela; akumbona, wacezela phaya.

32Kwangokunjalo ke nomLevi, akufika kuloo ndawo, weza wambona, wacezela phaya.

33Uthe ke umSamariya othile, eseluhambeni, waya kuye; wathi, akumbona, wasikwa yimfesane.

34Wafika, wawabopha amanxeba akhe, egalela ioli newayini, wamkhwelisa eqegwini lakhe, wamsa endlwini yabahambi, wamonga.

35Akumka ngengomso, warhola iidenariyo zambini wanika umninindlu, wathi kuye. Uze umonge; nento ongathi ubuye udleke yona, ndokuhlawulela mna ekubuyeni kwam.

36Nguwuphi na kwabo bathathu ngoko, othi wena, waba ngummelwane walowo wagaxeleka ezihangeni?

37Uthe ke yena, Ngulowo wamenzela inceba. Wathi ngoko uYesu kuye, Hamba, uye kwenjenjalo nawe.

UMarta noMariya

38Ke kaloku kwathi, ekuhambeni kwabo, yena wangena mzini uthile, yathi ke intokazi ethile egama linguMarta, yamamkela ngobubele endlwini yayo.

39Yaye ke inomsakwayo obe kuthiwa nguMariya, owathi yena wahlala ngasezinyaweni zikaYesu, emana ukuliphulaphula ilizwi lakhe.

40UMarta ke yena wakruthakrutheka kukulungiselela okuninzi. Wema ke kufuphi wathi, Nkosi, akukhathali na, kukuba umsakwethu andiyekele ndilungiselele ndedwa? Yitsho ke kuye, andincede.

41Waphendula ke uYesu wathi kuye, Marta, Marta, uxhaliswa uphithizeliswa zizinto ezininzi.

42Inye yona into efunekayo; uMariya ke unyule eso sabelo silungileyo, singayi kususwa kuye.

ULuka 11

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umthandazo weNkosi

(UMat. 6:9-13)

1Kwathi, esendaweni ethile ethandaza, akupheza, wathi othile wakubafundi bakhe kuye, Nkosi, sifundise ukuthandaza, kwanjengoko uYohane wabafundisayo abafundi bakhe.

2Uthe ke yena kubo, Xa sukuba nithandaza, yithini, Bawo wethu osemazulwini, malingcwaliswe igama lakho. Mabufike ubukumkani bakho. Makwenziwe ukuthanda kwakho nasemhlabeni, njengokuba kusenziwaemazulwini.

3Siphe imihla yonke isonka sethu semihla ngemihla, usixolele izono zethu;

4kuba nathi sibaxolela bonke abanamatyala kuthi. Ungasingenisi ekulingweni; sihlangule enkohlakalweni.

Umzekeliso womhlobo ebusuku

5Wathi kubo, Nguwuphi na kuni ongáthi, enomhlobo, aze aye kuye phakathi kobusuku, athi kuye, Sihlobo, ndiboleke izonka zibe zithathu;

6kuba ke umhlobo wam uphambukele kum eseluhambeni, ndaye ndingenanto ke ndingayibeka phambi kwakhe;

7aze asuke lowo ungaphakathi aphendule athi, Musa ukundaphula; seluvaliwe ucango, nabantwana bam basesililini nam; andinako ukuvuka ndikunike?

8Ndithi kuni, Nokuba akayi kuvuka amnike, ngakuba engumhlobo wakhe, noko ngenxa yozingiso lwakhe olungenantloni wovuka, amnike inani alisweleyo.

9Nam ndithi kuni, Celani, nophiwa; funani, nofumana; nkqonkqozani, novulelwa.

10Kuba wonke umntu ocelayo, uyazuza; nalowo ufunayo, uyafumana; nalowo unkqonkqozayo, uya kuvulelwa.

11Nguwuphi na ke uyise kuni oya kuthi, unyana akucela isonka, amnike ilitye; athi akucela intlanzi, amnike inyoka endaweni yentlanzi?

12Athi, ukuba uthe wacela iqanda, amnike unomadudwane?

13Ukuba ke ngoko nina, ningendawo nje, niyakwazi ukubapha abantwana benu izipho ezilungileyo, wobeka phi na ke yena uYihlo wasemazulwini, ukugqithisela ukubapha uMoya oyiNgcwele abo bamcelayo?

AbaFarisi banyelisa uThixo

(UMat. 12:22-32)

14Wayekhupha idemon, yaye ke isisidenge. Kwathi ke yakuphuma idemon, sathetha isidenge, zamangaliswa izihlwele.

15Kodwa abathile kubo bathi, Úzikhupha iidemon ngoBhelezebhule, umphathi weedemon.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Baye ke bambi bemlinga, befuna kuye umqondiso ophuma emazulwini.

17Ke kaloku yena, ezazi izicamango zabo, wathi kubo, Bonke ubukumkani obahlulelene bodwa, buyaphanza; nendlu eyahlulelenenendlu, iyawa.

18Ukuba ke noSathana wahlulelene yedwa, bothini na ukuma ubukumkani bakhe? Ngokuba nithi, ndizikhupha iidemon ngoBhelezebhule.

19Ke ukuba mna ndizikhupha iidemon ngoBhelezebhule, bazikhupha ngabani na oonyana benu? Baya kuba ngabagwebi benu bona ngenxa yoko.

20Ke ukuba ndizikhupha iidemon ngomnwe kaThixo, ngoko bunifikele kanti ubukumkani bukaThixo.

21Xa lithi igorha lixhobe tu, lilinde ibhotwe lalo, impahla yalo ihlala inqabile;

22kodwa xa lithe elinamandla kunalo lalifikela, laleyisa, lilihlutha sonke isikrweqe salo elabe likholose ngaso, liwabe amaxhoba alo.

23Lowo ungengakum, uchasene nam; nalowo ungandibuthisiyo, uyachithachitha.

24Xa umoya ongcolileyo uthe waphuma emntwini, ucanda ezindaweni ezingenamanzi, ufuna ukuphumla; uze wakuba ungakufumani, usuke uthi, Ndiya kubuyela endlwini yam, endaphuma kuyo.

25Uthi wakufika, uyifumane itshayelwe, ivathisiwe.

26Wandule ukuya kuthabatha abanye oomoya abasixhenxe abangendawo kunawo, bangene ke bahlale khona; lize ikamva laloo mntu libe libi kunesiqalo.

27Ke kaloku kwathi, ekuzithetheni kwakhe ezi zinto, intokazi ethile yaliphakamisa izwi layo esihlweleni eso, yathi kuye, Sinoyolo isizalo esakubambayo, nambele owawanyáyo.

28Uthe ke yena, Yithi kanye, Banoyolo abo balivayo ilizwi likaThixo baligcine.

Umqondiso kaYona

(UMat. 12:38-42)

29Ke kaloku, zakubon' ukuba ziqukene iindimbane, waqala ukuthi, Esi sizukulwana singendawo, singxamele umqondiso; ukanti asiyi kunikwa mqondiso, ingenguwo umqondiso kaYona umprofeti.

30Kuba, njengokuba uYona waba ngumqondiso kwabaseNineve, uya kuba kwanjalo uNyana woMntu kwesi sizukulwana.

31Ukumkanikazi waseZantsi uya kusuka eme ngomgwebo namadoda esi sizukulwana, awagwebe; ngokuba wavela eziphelweni zomhlaba, esiza kuva ubulumko bukaSolomon; ukanti ke omkhulu kunoSolomon nanku apha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Amadoda aseNineve aya kusuka eme ngomgwebo nesi sizukulwana, asigwebe;
kuba aguquka wona ngomemezo lukaYona; ukanti ke omkhulu kunoYona nanku
apha.

Isibane somzimba
(UMat. 5:15; 6:22; uLuka 8:16)

33Akukho ke uthi, esibanekile isibane, asibeke endaweni efihlakeleyo, nokuba
kuphantsi kwesitya; usibeka esiphathweni saso, ukuze abo bangénayo bakubone
ukukhanya.

34Isibane somzimba liliso. Xa sukuba iliso lakho lingenakumbi, umzimba wakho
uphela uyakhanyiseleka; xa lithe lakhohlakala, nomzimba wakho ububumnyama.

35Ngoko xunela ekuthini ukukhanya okukuwe kungabi bubumnyama.

36Ukuba ngoko umzimba wakho uphela ukhanyiselekile, ungenandawo imnyama,
úya kukhanyiseleka uphela, njengaxenikweni sithe isibane sakukhanyisela
ngokudangazela kwaso.

UYesu ukhalimela ababhali nabaFarisi
(UMat. 23)

37Ke kaloku, akuba ethethile, umFarisi othile wayemcela ukuba aye komulela kuye.
Ungenile ke wahlala phantsi.

38Uthe ke akubona oku, umFarisi wamangaliswa kukuba engathanga kuqala
ahlambe, phambi kokuba adle.

39Yathi ke iNkosi kuye, Kaloku nina baFarisi nihlambulula umphandle wendebe
nesitya, ukanti wona umbilini wenu uzele kukuphanga nokungendawo.

40Basweli-kuqonda, owakwenzayo okungaphandle akakwenzanga na
nokungaphakathi?

41Kanye ke izinto ezingaphakathi, lizani ngazo; niyabona, zosuka zonke izinto
zihlambuluke kuni.

42Yeha, nina baFarisi! Ngokuba ninikela izishumi zetyeleba nezenxina nezemifuno
yonke, nize nidlule kuwo umgwebo nokuthanda uThixo; ezi ndawo ke benimelwe
kukuthi nizenze, nithi neziya ningazishiyi.

43Yeha, nina baFarisi! Ngokuba nithanda isihlalo sobukhulu ezindlwini zesikhungu,
nemibuliso ezindaweni zembutho.

44Yeha, nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba ninjengamangcwaba
angabonakaliyo, abathi nabantu abahamba phezu kwawo, bangawazi.

45Waphendula ke othile wakubaqondisi-mthetho, wathi kuye, Mfundisi, uzithetha
nje ezo zinto, usiphatha kakubi nathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

46Uthe ke yena, Yeha, nani baqondisimthetho! Ngokuba abantu nibathwalisa imithwalo enzima, nibe nina ngokwenu ningayichukumisi imithwalo leyo nangamnye umnwe wenu.

47Yeha, nina! Ngokuba niyawakha amangcwaba abaprofeti, babe ke ooyihlo bebabulele.

48Kambe niyayingqinela niyithakazela imisebenzi yooyihlo; ngokuba bona okunene bababulala, niyawakha ke nina amangcwaba abo.

49Ngenxa yoko nobulumko bukaThixo bâthi, Ndiya kubathumela abaprofeti nabapostile; kubo abo ke baya kuyibulala inxenye, bayitshutshise inxenye;

50ukuze limenywe kwesi sizukulwana igazi labo bonke abaprofeti elaphalazwayo, kuseloko lasekwayo ihlabathi;

51lithabathela egazini lika-Abheli, lide lizise egazini likaZekariya, owatshabalalela phakathi kwesibingelelo nendawo eyingcwele. Ewe, ndithi kuni, liya kumenywa kwesi sizukulwana.

52Yeha nina, baqondisi-mthetho! Ngokuba nasisusa isitshixo sokwazi; nina anangena, nabangénayo nabaléla.

53Ke kaloku, akubon' ukuba uyazithetha ezi zinto kubo, baqala ababhali nabaFarisi ukuba nenqala enkulu nokumcofa ngemibuzo emininzi,

54bemlalele, befuna ukunqakula into ephuma emlonyeni wakhe, ukuze bammangalele.

ULuka 12

1Phakathi koko, kuthe akubon' ukuba ahlanganisene ndawonye amawakawaka abantu, ngokokude banyathelane, waqala ukuthi kubafundi bakhe, Phambi kwako konke, lilumkeleni igwele labaFarisi, eliluhanahaniso.

2Akukho nto ke igqunyiweyo, engasayi kutyhilwa; nefihlakeleyo, engasayi kwaziwa.

3Ngenxa enokuba konke enikuthethe emnyameni, kuya kuviwa emhlotsheni; nenikuthethe endlebeni emagumbini, kuya kumenyezwa phezu kwezindlu.

Ofanele ukoyikwa
(UMat. 10:28-33)

4Ndithi ke kuni, zihlobo zam, Musani ukuboyika abo babulala umzimba, baze emva koko bangabi nanto yimbi bangayenzayo.

5Ndiya kunibonisa ke énomoyika; yoyikani lowo uthi emva kokubulala, abe negunya lokuphosa esihogweni. Ewe, ndithi kuni, Yoyikani yena lowo.

6Àbathengiswa ngeepeni ezimbini na oongqatyana abahlanu? Ukanti akukho namnye kubo olityelweyo emehlweni kaThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Kwaneenwele ezi zentloko yenu zibaliwe zonke; musani ukoyika ngoko, nibagqithile oongqatyana abaninzi nina.

8Ndithi ke kuni, Wonke umntu othe wandivuma phambi kwabantu, kwanoNyana woMntu uya kumvuma phambi kwezithunywa zikaThixo.

9Ondikhanyeleyo ke emehlweni abantu, wokhanyelwa emehlweni ezithunywa zikaThixo.

10Nomntu wonke oya kuthetha ilizwi elibi ngoNyana woMntu, woxolelwa; kodwa lowo unyelise uMoya oyiNgcwele, akasayi kuxolelwa.

11Xa sukuba ke benizisa ezindlwini zesikhungu, nakwizilawuli, nakwabanegunya, ize ningaxhaleli ukuba ningáziphendulela ngokunjani na, nangantoni na, nokuba ningáthethani na.

12Kuba uMoya oyiNgcwele uya kunifundisa ngalo elo lixa izinto enimelwe kukuthi nithethe zona.

Umzekeliso wesityebi esiswele ukuqonda

13Ke kaloku uthe ubani kuye endimbaneni, Mfundisi, yitsho kumzalwana wam, ahlulelane nam ilifa.

14Uthe ke yena kuye, Mntundini, ndimiswe ngubani na ukuba ndibe ngumahluli nomabi phakathi kwenu?

15Wathi ke kubo, Lumkani, nizilinde ngasekubaweni; ngokuba ubomi bomntu abumi ngabuninzi bempahla yakhe.

16Wathetha ke umzekeliso kubo, esithi, Umhlaba womntu othile osisityebi wachuma kakhulu;

17wayecamanga phakathi kwakhe, esithi, Ndiya kuthini na; ngokuba andinandawo ndiya kuzihlanganisela kuyo iziqhamo zam?

18Wathi, Nantsi into endiya kuyenza; ndiya kubawisa phantsi oovimba bam, ndakhe abangaphezulu kwabo; ndizihlanganisele khona zonke izilimo zam, nezinto zam ezilungileyo;

19ndithi kuwo umphefumlo wam, Mphefumlo, unezinto ezininzi ezilungileyo, ezibekelwe iminyaka emininzi; phumla, yidla, sela, yiba nemihlali.

20Uthe ke uThixo kuye, Msweli-kuqonda, ngobu busuku umphefumlo wakho uya kubizwa kuwe; ziya kuba zezikabani na ke ezo zinto uzilungisileyo?

21Únjalo lowo uziqwebela ubutyebi, engenabutyebi kuThixo.

Amaxhala obomi
(UMat. 6:25-34)

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Wathi ke kubo abafundi bakhe, Ngenxa yoko ndithi kuni, Musani ukubuxhalela ubomi benu, ngokuthi ningadla ntoni na; kwanomzimba, ngokuthi ningambatha ntoni na.

23Ubomi bukhulu kunokudla, nomzimba kunento yokwambatha.

24Qondani ngamahlungulu la, ngokuba akahlwayeli, akavuni; kuwo akukho qonga navimba, kanti noko uThixo uyawondla; nina nibeke phi na ke, ukuzigqitha iintaka!

25Nguwuphi na ke kuni onokuthi ngokuxhala ongèze ebukhulwini bakhe ikubhite ibe nye?

26Ukuba ngoko aninako ukwenza neyona nto incinane, yini na ukuba nizixhalele ezinye?

27Qondani ngeenyibiba, ukuhluma kwazo; azibulaleki, azisonti nokusonta; ndithi ke kuni, Naye uSolomon, kubo bonke ubunewunewu bakhe, wayengavathanga nanjenganye yazo ezi.

28Ukuba ke ingca, leyo isendle, ethi namhla ibekho, ize ngomso iphoswe eziko, wenjenjalo uThixo ukuyambesa, wobeka phi na ke kuni, bantundini balukholo luncinane?

29Nani nize ningafuni ukuthi ningadla ntoni na, nisele ntoni na;

30kanjalo nize ningathingazi; ngokuba zonke ezo nto zingxanyelwe ziintlanga zehlabathi; uYihlo ke uyazi ukuba niziswele ezo zinto.

31Funani ubukumkani bukaThixo nina, zaye zonke ezo zinto ziya kongezelelwa kuni.

32Musani ukoyika, mhlambi mncinane; ngokuba kukholekile kuYihlo ukuninika ubukumkani.

33Thengisani ngeempahla zenu, nilize ngazo; zenzeleni iingxowa zemali ezingagugiyo, ubutyebi obungapheliyo emazulwini, apho kungasondeliyo sela, kungonakalisiyo nanundu;

34kuba apho bukhona ubutyebi benu, yoba lapho nentliziyo yenu.

Umzekeliso wabakhonzi abafunyanwa belindile

(UMat. 24:45-51)

35Mazibe zibhinqiwe izinqe zenu, nezibane zenu zivutha;

36nani nibe njengabantu abayilindileyo inkosi yabo, xeshikweni iya kubuya emsithweni; ukuze bathi, yakufika inkqonkqoze, bayivulele kwaoko.

37Banoyolo abo bakhonzi, eyothi yakufika inkosi, ibafumane belindile. Inene ndithi kuni, iya kubhinqa, ibangqengqise bona, ize isondele ibalungiselele.

38Nokuba ithe yeza ngowesibini umlindo wobusuku, nokuba ithe yeza ngowesithathu umlindo, yafika kunjalo, banoyolo abo bakhonzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Kwazini ke oku, ukuba umninindlu ebesazi ukuba isela liza ngaliphi na ilixa, ange elindile, akayiyekela indlu yakhe igqojozwe.

40Nani ngoko yibani nilungile; ngokuba uNyana woMntu uza ngelixa eningalikhumbuleliyo.

41Wathi ke uPetros kuye, Nkosi, lo mzekeliso uwuthetha kuthi, uwuthetha kubo bonke, kusini na?

42Ithe ke iNkosi, Ngubani na ke elo gosa lithembekileyo, liqondileyo, eyothi inkosi ilimise phezu kwabendlu yayo, ukuze libanike umamkelo wabo wokudla ngexesha elifanelekileyo?

43Únoyolo loo mkhonzi eyothi, yakufika inkosi yakhe, imfumane esenjenjalo.

44Inene ndithi kuni, iya kummisa phezu kwayo yonke impahla yayo.

45Ukuba ke loo mkhonzi uthe entliziyweni yakhe, Inkosi yam iyalibala ukuza; aze aqale azibethe izicaka nezicakakazi, adle, asele, anxile:

46yofika inkosi yaloo mkhonzi ngemini angayilindeleyo, nangelixa angalaziyo, ize imnqumle kubini, immisele isabelo sakhe nabangathembekileyo.

47Yena ke loo mkhonzi, ubekwazi ukuthanda kwenkosi yakhe, àkalungisa, àkenza ngokuthanda kwayo, uya kutyatyulwa ngemivumbo emininzi;

48ke yena obengazi, wenza ke okufanele imivumbo, uya kutyatyulwa ibe mbalwa. Kubo bonke abanikwe okukhulu, kuya kufunwa okukhulu kubo; nakulowo kubekwe okukhulu kuye, kuya kubizwa okungaphezulu.

UYesu uzisa umlilo asuse uxolo ehlabathini

49Ndizé kuphosa umlilo ehlabathini; hayi, ukufuna kwam, ukunga unge useluphenjiwe!

50Kukho ke lubhaptizo ndifanele ukubhaptizwa ngalo; asikuko nokuba ndicinezelekile lude lufezeke.

51Niba ndizé kungenisa uxolo na ehlabathini? Ndithi kuni, Hayi, kanye ndizé kungenisa imbambano.

52Kuba kuya kuthi, kuthabathela kwalapha, kubekho abahlanu ndlwini-nye bebambene, abathathu bebambene nababini, nababini bebambene nabathathu.

53Kuya kubambana uyise nonyana, unyana noyise; unina nentombi, intombi nonina; uninazala nomolokazana, umolokazana noninazala.

Imiqondiso yamaxesha

54Wayesithi ke nakuzo izihlwele, Xa nithe nalibona ilifu liphuma entshonalanga, nithi kwaoko, Kuza isiphango; kusuke kube njalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

55Naxa sukuba nibona umoya wasezantsi uvuthuza, nithi, Kuya kubakho ulophu; lusuke lubekho.

56Bahanahanisindini, niyakwazi ukuyicalula imbonakalo yomhlaba neyezulu; kungani na ke ukuba ningalicaluli lona eli xesha?

57Yini na ke ukuba nina ngokwenu ningakwahluli okububulungisa?

58Kuba xa uya nommangaleli wakho phambi komlawuli, yithi endleleni apho usebenze ukuthi uzikhulule kuye; hleze akurholele kumgwebi, aze umgwebi akunikele kumsila, umsila ukuphose entolongweni.

59Ndithi kuwe, Akusayi kukha uphume khona apho, ude uhlawule nemalanana yokugqibela.

ULuka 13

Ukuvuselela inguquko

1Ke kaloku kwaye kukho abathile ngelo xesha, ababembikela amaGalili, agazi uPilato waliphithikeza namadini awo.

2Waphendula uYesu wathi kubo, Niba na loo maGalili ebengaboni ngaphezu kwawo onke amaGalili, ngokuba evé ubunzima obunjalo?

3Ndithi kuni, Hayi; nòthi xa sukuba ningaguquki, nitshabalale kwangokunjalo nonke.

4Hi, bona abo balishumi elinesibhozo, bawelwa yinqaba eseSilowa, yababulala; niba na babenetyala ngaphezu kwabo bonke abantu abemiyo eYerusalem?

5Ndithi kuni, Hayi; nòthi, xa sukuba ningaguquki, nitshabalale kwangokunjalo nonke.

Umzekeliso womkhiwane ongathwali siqhamo

6Wabethetha ke lo mzekeliso: Ubani wayenomkhiwane, utyelwe esidiliyeni sakhe; weza efuna isiqhamo kuwo, akafumana nto. Wathi ke kumsébenzi-sidiliya,

7Uyabona, ndiminyaka mithathu ndiza ndifuna isiqhamo kulo mkhiwane, ndingafumani nto; wugawule; yini na ukuba úde uphuthise nomhlaba.

8Aphendule ke yena athi kuye, Nkosi, wuyeke nangaló mnyaka, ndide khendimbe ndiwurhaqe, ndigalele umgquba.

9Ukuba ke uthe wavelisa isiqhamo, wòwuyeka; ke ukuba akubanga njalo, wòbuya uwugawule.

Ukuphiliswa kwentokazi enomoya wobulwelwe

10Ke kaloku wayefundisa kwenye yezindlu zesikhungu ngayo isabatha.

11Kwabonakala kukho ntokazi ibinomoya wobulwelwe iminyaka elishumi elinesibhozo; yaye igobile, ingenako kanye ukuziphakamisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Eyibonile ke uYesu, wayibiza wathi kuyo, Ntokazindini, khululeka ebulwelweni bakho.

13Wayibeka ke izandla; yoluka kwangoko, yazukisa uThixo.

14Ke kaloku waphendula umphathi wendlu yesikhungu, ecaphuka kuba uYesu waphilisa ngesabatha, wathi kwizihlwele, Mithandathu imihla ekufanele ukusetyenzwa ngayo; yizani ngayo ngoko niphiliswe, kungabi ngawo umhla wesabatha.

15Yamphendula ngoko iNkosi, yathi, Mhanahanisindini, akathi na elowo kuni ayikhulule ngesabatha inkomo yakhe, nokuba liesile lakhe, emkhumbini wesitali, alirhole aye kuliseza?

16Lo ke, eyintombi ka-Abraham nje, ayibophileyo uSathana, khangela, le minyaka ilishumi elinesibhozo, ubengamele ukukhululwa na kulo mabophe ngomhla wesabatha?

17Akubon' ukuba uyazithetha ezo ndawo, badaniswa bonke abachasene naye; zathi zonke izihlwele zavuya ngazo zonke izinto ezizukileyo ezenziwa nguye.

Umzekeliso wokhozo lwemostade nowegwele

(UMat. 13:31-33)

18Wayesithi ke, Bufana nantoni na ubukumkani bukaThixo? Ndiya kubufanisa nantoni na?

19Bufana nokhozo lwemostade, awaluthabathayo umntu, waluphosa emyezweni wakhe; lwahluma lwaba ngumthi omkhulu, zathi iintaka zezulu zahlala emasebeni awo.

20Wabuya wathi, Ndiya kubufanisa nantoni na ubukumkani bukaThixo?

21Bufana negwele, awalithabathayo umfazi, walifihla ezilinganisweni zozithathu zomgubo, wada wabiliswa uphela.

Isango elimxinwa

22Waye ecanda kwimizi ngemizi, nemizana, efundisa, esinga eYerusalem.

23Ke kaloku wathi othile kuye, Nkosi, bambalwa na abo basindiswayo?

24Uthe ke yena kubo, Zamani ukungena ngesango elimxinwa; ngokuba ndithi kuni, baninzi abaya kufuna ukungena, bakhohlwe.

25Xa selethe wavuka umninindlu, waluvala ucango, naza naqala ukuma ngaphandle, nokunkqonkqoza elucangweni, nisithi, Nkosi, nkosi, sivulele: úya kuza aphendule athi kuni, Andinazi apho nivela khona.

26Niya kwandula niqale ukuthi, Sadla, sasela, emehlweni akho; nawe wafundisa ezitratweni zethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Athi, Ndithi kuni, andinazi apho nivela khona; mkani kum, nina nonke basébenzi bokungalungileyo.

28Khona apho kuya kubakho ukulila nokutshixiza kwamazinyo, xa nithe nabona uAbraham, noIsake, noYakobi, nabo bonke abaprofeti, ebukumkanini bukaThixo; nibe ke nina nikhutshelwe phandle.

29Babeya kuza bevela empumalanga nasentshonalanga, nasentla, nasezantsi, bangqengqe ebukumkanini bukaThixo.

30Yabonani, bakho abokugqibela abaya kuba ngabokuqala; bakho nabokuqala abaya kuba ngabokugqibela.

UYesu ulunyukiswa ngoHerode

31Kwangaloo mini kweza abaFarisi abathile, besithi kuye, Phuma umke apha; ngokuba uHerode ufuna ukukubulala.

32Wathi kubo, Yiyani nithi kuloo mpungutye, Uyabona, ndikhupha iidemon, ndifinyeze iimpiliso, namhla nangomso; ndithi ngowesithathu umhla ndifeze.

33Kodwa ndimelwe kukuthi ndihambe namhla nangomso nangolandelayo; ngokuba akangekhe umprofeti atshabalalele ngaphandle kweYerusalem.

34Yerusalem, Yerusalem, ebabulalayo abaprofeti, ibagibisele ngamatye abo bathunywe kuyo! Kufuthi kangakanani na ndathandayo ukubabuthela ndawonye abantwana bakho, ngohlobo esithi isikhukukazi siwabuthele ndawonye amantshontsho aso ngaphantsi kwamaphiko aso, anavuma!

35Yabonani, indlu yenu ishiywa nani ízé. Inene, ndithi ke kuni. Aniyi kuba sandibona, kude kufike ixesha eniya kuthi, Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi.

ULuka 14

Ukuphiliswa konegalimoya

1Kwathi, akuba engene ngesabatha endlwini yomnye wakubaphathi babaFarisi, ukuba adle isonka, bahlala bemlalele bona.

2Kwabonakala kukho phambi kwakhe mntu uthile unegalimoya.

3Waphendula uYesu wathetha kubo abaqondisi-mthetho nabaFarisi, esithi, Kuvumelekile na ukuphilisa ngesabatha?

4Bathi quthu ke bona. Wamthabatha, wamphilisa, wamndulula.

5Wabaphendula wathi, Lelikabani na kuni apha iesile, nokuba yinkomo, eya kweyela equleni, aze angayirholi kwaoko ngomhla wesabatha?

6Bakhohlwa ukumphendula kwezo zinto.

Umzekeliso wabamenywa nezilili zobukhulu

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ke kaloku wathetha umzekeliso kwababemenyiwe, akugqala ukunyula kwabo izilili zobukhulu;

8wathi kubo, Xa uthe wamenyelwa emsithweni ngubani, musa ukungqengqa esililini sobukhulu; hleze obekekileyo kunawe abe ubemenyiwe nguye,

9eze lowo ubenimemile, athi kuwe, Khwelela lo mntu; uze uqale ukuthabatha indawo esekugqibeleni udanile.

10Yithi xa uthe wamenywa, uye uhlale endaweni esekugqibeleni, ukuze, xa athe weza lowo ukumemileyo, athi kuwe, Sihlobo, nyukela ngasentla; wandule ke ukuba nozuko emehlweni abo bahleli ndawonye nawe.

11Ngokuba wonke umntu oziphakamisayo, uya kuthotywa; nozithobayo uya kuphakanyiswa.

12Wayesithi ke nakulowo ummemileyo, Xa sukuba usenza isidlo sasemini, nokuba sesangokuhlwa, musa ukubiza izihlobo zakho, nabazalwana bakho, nemizalwane yakho, nabamelwane abazizityebi; hleze nabo babuye bakumeme, ize oko kube yimbuyekezo kuwe.

13Yithi xa sukuba usenza isidlo, umeme amahlwempu, izilima, iziqhwala, iimfama;

14wòba nentsikelelo; ngokuba àbanako ukubuyekeza kuwe; kuba ùya kubuyekezwa wena eluvukweni lwamalungisa.

Umzekeliso wesidlo esikhulu
(UMat. 22:1-14)

15Ke kaloku, akuziva ezo zinto omnye kwabo babehleli naye, wathi kuye, Únoyolo oya kudla isonka ebukumkanini bukaThixo.

16Uthe ke yena kuye, Umntu othile wenza isidlo esikhulu, wamema abaninzi.

17Wasusa umkhonzi wakhe ngelixa lesidlo, ukuba aye kuthi kwabamenyiweyo, Yizani; ngokuba konke sekulungisiwe.

18Baqala bonke ngakunye ukuzilanduleka; owokuqala wathi kuye, Ndithengé intsimi, kufuneka ukuba ndiphume ndiye kuyibona; ndiyakucela, mandibe ngowabalandulelwayo.

19Wathi omnye, Ndithengé iinkomo zeedyokhwe ezintlanu, ndiya kuziva; ndiyakucela mandibe ngowabalandulelwayo.

20Wathi omnye, Ndizeké umfazi, ngenxa yoko andinakuza.

21Efikile loo mkhonzi, wayibikela ke inkosi yakhe ezo ndawo. Wandula waqumba umninindlu, wathi kumkhonzi wakhe, Phuma kamsinya, uye ezitratweni nakwizitratwana zomzi, uqukele apha amahlwempu nezilima neziqhwala neemfama.

22Wathi umkhonzi, Nkosi, kwenzeké njengoko ubuyalele, ukanti kusekho indawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Yathi inkosi kumkhonzi lowo, Phuma uye ezindleleni, nasezintangweni, ubanyanzele bangene, ukuze indlu yam izale.

24Kuba ndithi kuni, akukho nanye kuloo madoda abemenyiwe, eya kusiva isidlo sam.

Ukuzincama komfundi

25Ke kaloku kwaye kuhamba naye izihlwele ezikhulu; wajika, wathi kuzo,

26Ukuba ubani uza kum, angamthiyi uyise, nonina, nomfazi, nabantwana, nabazalwana, nodade, ewe, nobakhe ubomi, akanakuba ngumfundi wam.

27Nosukuba engawuthwali umnqamlezo wakhe, andilandele, akanakuba ngumfundi wam.

28Kuba nguwuphi na kuni othi, ethanda ukwakha inqaba, angàkhe ahlale phantsi kuqala, abale indleko, ukuba unazo na izinto zokuyigqiba?

29Hleze, akubon' ukuba usibekile isiseko, angabi nakugqiba, bathi bonke ababonelayo baqale ukuhlekisa ngaye, besithi,

30Lo mntu waqala ukwakha, wakhohlwa ukugqiba.

31Kananjalo nguwuphi na ukumkani othi, esiya kuhlangana nomnye ukumkani emfazweni, angakhe ahlale phantsi kuqala, acinge ukuba unako na, enashumi-nye lamawaka, ukuhlangabeza omzelayo enamashumi amabini amawaka?

32Ukuba ke akanako, uthi esekude, athume isigidimi, acele iindawo zoxolo.

33Ngokukwanjalo ngoko, wonke umntu kuni ongazishiyiyo zonke iimpahla zakhe, akanakuba ngumfundi wam.

34Ilungile ityuwa; ke ukuba ityuwa ithe ayaba nasongo, yothiwani na ukuvakaliswa?

35Ayiwulungele nomhlaba, ayiwulungele nomgquba; ilahlelwa phandle. Lowo uneendlebe zokuva makeve.

ULuka 15

Umzekeliso wegusha elahlekileyo nedrarhima elahlekileyo

1Ke kaloku, babesondela kuye bonke ababuthi berhafu naboni, ukuba bamve.

2Babekrokra ke abaFarisi nababhali, besithi, Lo wamkela aboni, adle nabo.

3Wathetha ke kubo lo mzekeliso, esithi,

4Nguwuphi na umntu kuni othi, enekhulu lezimvu, ize kulahleke enye kuzo, angazishiyi ezingamashumi asithoba anesithoba entlango, asinge kuleyo ilahlekileyo, ade ayifumane?

5Athi ke akuyifumana, ayibeke emagxeni akhe, evuya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Athi akufika ekhaya, ababizele ndawonye abahlobo nabamelwane, esithi kubo, Vuyisanani nam, ngokuba ndiyifumene imvu yam ebilahlekile.

7Ndithi kuni, ngokukwanjalo kuya kubakho uvuyo emazulwini ngomoni eba mnye oguqukayo, kunamashumi asithoba anesithoba amalungisa, angaswele nguquko.

8Kanjalo nguwuphi na umfazi eneedrarhima zilishumi, ongethi, ukuba ithe yalahleka enye idrarhima, alumeke isibane, ayitshayele indlu, afune enyamekile, ade ayifumane?

9Athi akuyifumana, ababizele ndawonye abahlobo nabamelwane, esithi, Vuyisanani nam, ngokuba ndiyifumene idrarhima ebindilahlekile.

10Ngokukwanjalo ndithi kuni, kubakho uvuyo emehlweni ezithunywa zikaThixo ngomoni eba mnye oguqukayo.

Umzekeliso wonyana wolahleko

11Ke kaloku wathi, Umntu othile ube enoonyana ababini.

12Wathi omnci wabo kuyise, Bawo, ndínike isahlulo sempahla esilunge nam. Wababela imfuyo leyo.

13Kuthe kungekabi ntsuku zininzi, wahlanganisa into yonke unyana omnci, wesuka kwelakowabo, waya ezweni elikude; wathi khona apho wayichitha impahla yakhe ngentlalo yokuzibhubhisa.

14Akubon' ukuba udle konke, kwabakho indlala enzima kwelo zwe, waqala ukuswela naye.

15Waya wanamathela komnye kubemi belo zwe; wathi yena wamthumela emihlabeni yakhe, ukuba aye kwalúsa iihagu.

16Ubenqwenela ke ukusizalisa isisu sakhe ngeengxam ezabe zidliwa ziihagu; bekungekho mntu umphayo.

17Ke kaloku, akuba nokuziqonda, wathi, Kanene bangakanani na abaqeshwa bakabawo, ábadikwa zizonka; nanku ke mna ndiphela yindlala?

18Ndiya kusuka ndiye kubawo, ndithi kuye, Bawo, ndonile kuwo amazulu, nasemehlweni akho.

19Andisafanele kubizwa ngonyana wakho; ndénze ndibe njengomnye kubaqeshwa bakho.

20Wesuka weza kuyise. Ke kaloku, akubon' ukuba usekude lee, uyise wambona, wasikwa yimfesane, wagidima, wawa entanyeni yakhe, wamanga.

21Wathi ke unyana kuye, Bawo, ndonile kuwo amazulu, nasemehlweni akho; andisafanele kubizwa ngonyana wakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Uthe ke uyise kubakhonzi bakhe, Rholani ingubo ende, eyona intle, nimambathise,
nifake umsesane esandleni sakhe, neembadada ezinyaweni zakhe.

23Nizise ithole, eliyá lityetyisiweyo, nixhele; sidle, sibe nemihlali.

24Ngokuba lo nyana wam ubefile, wabuya waphila; ubelahlekile, wafunyanwa.
Baqala ke ukuba nemihlali.

25Ke kaloku unyana wakhe omkhulu ebesentsimini; wathi xa azayo, wasondela
endlwini, weva ukugwala nokududa.

26Wabizela kuye omnye kubakhonzi, wambuza ukuba zingaba ziyini na ezi zinto.

27Uthe ke yena kuye, Umninawa wakho ufikile; uyihlo ke uxhele ithole, eliyá
lityetyisiweyo; ngokuba ebuye wamzuzu ephilile.

28Waqumba ke, akavuma nokungena. Uphumile ke uyise wambongoza.

29Waphendula ke yena wathi kuyise, Uyabona, le minyaka ingakanana
ndiyakukhonza, andizanga ndigqithe mthetho wakho; ukanti akuzanga undinike
netakane eli, ukuze ndenze imihlali nezam izihlobo;

30kodwa xenikweni afikileyo lo nyana wakho, wayidlayo wayigqiba impilo yakho
namahenyukazi, ùmxheléle ithole eliyá lityetyisiweyo.

31Uthe ke yena kuye, Mntwana wam, wena uhleli unam, nazo zonke izinto zam
zezakho.

32Besimelwe kukuthi senze imihlali ke, sivuye; ngokuba umninawa wakho lo ubefile,
wabuya waphila; ubelahlekile, wafunyanwa.

ULuka 16

Umzekeliso wegosa elingenabulungisa

1Ke kaloku, wayesithi nakubafundi bakhe, Kwaye kukho umntu othile osisityebi,
obenegosa; laza lona lancethezwa kuye, ukuba lingoyichithayo impahla yakhe.

2Elibizile ke, wathi kulo, Yintoni na le ndiyivayo ngawe? Khawenze ingxelo yobugosa
bakho; kuba akusayi kuba saba ligosa.

3Lathi ke igosa ngaphakathi kwalo, Ndiya kuthini na? Ngokuba inkosi yam
iyabuhlutha ubugosa kum; ukumba kundikhohlile; ukungqiba, ndineentloni.

4O! ndiyayazi into endiya kuyenza, ukuze xa ndithe ndakhutshwa ebugoseni,
bandamkele ezindlwini zabo.

5Libabizele kulo ngabanye abanetyala enkosini yalo, lathi kowokuqala, Unatyala
lingakanani na enkosini yam?

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Uthe ke yena, Likhulu leebhate zeoli. Lathi kuye, Thabatha iphetshana lakho, uhlale phantsi msinya, ubhale amashumi amahlanu.

7Emva koko lathi komnye, Wena ke unatyala lingakanani na? Uthe ke yena, Likhulu leekore zengqolowa. Lathi kuye, Thabatha iphetshana lakho, ubhale amashumi asibhozo.

8Yaza inkosi leyo yalincoma igosa elingalungisiyo, ngokuba lenza ngokuqonda; ngokuba bona abeli phakade kwesabo isizukulwana banokuqonda, ngaphezu kwabo abokukhanya.

9Nam ndithi kuni, Zenzeleni izihlobo ngabo ubutyebi bokungalungisi, ukuze xa nithe naphelelwa, namkelwe eminqubeni engunaphakade.

10Othembekileyo kokuncinane, uthembekile nakokukhulu; nongalungisiyo kokuncinane, akalungisi nakokukhulu.

11Ukuba ngoko anibanga nakuthembeka ebutyebini bokungalungisi, ngubani na owonithemba kobo buyinyaniso?

12Nokuba anibanga nakuthembeka koko komnye, ngubani na oya kuninika okukokwenu?

13Akukho mkhonzi unako ukukhonza nkosi mbini; kuba eya kuyithiya le, athande leya; athi mhlawumbi abambelele kule, ayidele leya; aninako ukukhonza uThixo nobutyebi.

Igunya lomthetho

14Ke kaloku baye beziva ezo ndawo zonke nabo abaFarisi, amathanda-mali; baye bemsinekela ke.

15Wathi kubo, Nina ningábazigwebelayo emehlweni abantu; kodwa uThixo uyazazi iintliziyo zenu; ngokuba oko kuphakanyisiweyo phakathi kwabantu, kulisikizi emehlweni kaThixo.

16Yayingumthetho nabaprofeti kwada kwakuYohane; kuselokoko, ubukumkani bukaThixo buyashunyayelwa, bonke bayangena kubo ngokugonyamela.

17Ke kulula ukuba lidlule izulu nomhlaba, kunokuba kuwe nalinye isuntswana lomthetho.

18Wonke umntu omalayo umfazi wakhe, azeke wumbi, uyakrexeza; nomntu wonke ozeka owalene nendoda, uyakrexeza.

Umzekeliso wesityebi noLazaro

19Ke bekukho umntu othile osisityebi, obevatha ezibomvu nezelinen ecikizekileyo, esenza imihlali yokuzuka kwakhe imihla yonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Bekukho ke hlwempu lithile, ligama linguLazaro, elalikhahlelwe esangweni lakhe, lizele zizilonda,

21linqwenela ukuhluthiswa ngeemvuthuluka eziwa etafileni yesityebi eso; zibe zisithi izinja, zize zikhothe izilonda zalo.

22Ke kaloku lathi lafa ihlwempu elo, lasiwa zizithunywa zezulu esifubeni sika-Abraham; safa ke nesityebi, sangcwatywa.

23Síze, sikwelabafileyo, siphakamise amehlo aso sisentuthumbeni, simbone uAbraham ekude, uLazaro esesifubeni sakhe.

24Samemeza sona sathi, Bawo, Abraham, ndénzele inceba, uthume uLazaro, ukuba athi nkxu incam yomnwe wakhe emanzini, aphozise ulwimi lwam; ngokuba ndiyathuthunjelwa kweli langatye.

25Uthe ke uAbraham, Mntwana wam, khumbula ukuba wena wazifincelela ebomini bakho izinto zakho ezilungileyo, noLazaro ngokukwanjalo izinto ezimbi; ngoku ke yena úyathuthuzelwa, wena ke ùyathuthunjelwa.

26Kananjalo ngaphandle kwale nto yonke, phakathi kwethu nani kuthiwe zinzi umsantsa omkhulu, ukuze aba bathanda ukuphumela, besuka apha besiya kuni, bangabi nako; bathi nabalapho, bangabi nakuwelela kuthi.

27Sathi, Ndiyakucela ngoko, bawo, ukuba umthume endlwini kabawo;

28kuba ndinabazalwana abahlanu; ukuba abaqononondise, ukuze bangàthi nabo beze kule ndawo yentuthumbo.

29Athi uAbraham kuso, BanoMoses nabaprofeti, mabeve bona.

30Sithe ke sona, Hayi, bawo Abraham; ukuba kuthe kwaya kubo ovela kwabafileyo, boguquka.

31Uthe ke kuso, Ukuba uMoses nabaprofeti ababeva, abayi koyiseka, nokuba kuthe kwavuka bani kwabafileyo.

ULuka 17

Izikhubekiso. Uxolelo. Ukholo. Abakhonzi abangancedi lutho

1Wathi ke kubo abafundi, Azinakuba zingezi izikhubekiso; yeha ke, loo mntu ziza ngaye!

2Angásizakala kanye, ethe wagangxwa ilityе lokusila entanyeni yakhe, wajulelwa elwandle, kunokuba akhubekise noko amnye kwaba bancinane.

3Zilumkeleni; ukuba ke umzalwana wakho uthe wakona, mkhalimele; ukuba uthe waguquka, mxolele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Nokuba uthe wakona kasixhenxe ngemini, waza wabuyela kuwe kasixhenxe ngemini, esithi, Ndiyaguquka, wòthi umxolele.

5Abapostile bathi eNkosini, Songezelele ukholo.

6Ithe ke iNkosi, Ukuba beninokholo olunjengokhozo lwemostade, beningáthi kulo mthombe, Ncothuka, utyaleke phakathi elwandle; uze unive.

7Ngubani na ke kuni, enomkhonzi elima, mhlawumbi esalúsa, oya kuthi, akungena evela entsimini, athi kwaoko kuye, Yiza uhlale phantsi;

8ongàyi kuthi kanye kuye, Lungisa into endiya kuyidla, uze ubhinqe, undilungiselele, ndide ndidle ndisele; wòthi emva koko udle usele nawe?

9Angánombulelo kuloo mkhonzi yini na, ngokuba enze izinto azimiselweyo? Anditsho mna.

10Ngokukwanjalo nani, xa nithe nazenza zonke izinto enazimiselwayo, yithini, Singabakhonzi abangancedi lutho; ngokuba sanele ukwenza oko besimelwe kukuthi sikwenze.

Ukuphiliswa kwabalishumi abaneqhenqa

11Kwathi ekuhambeni kwakhe ukuya eYerusalem, wacanda phakathi kwelamaSamariya nelaseGalili yena.

12Akubon' ukuba ungena mzini uthile, amhlangabeza amadoda alishumi eneqhenqa, amela mgama.

13Wona aphakamisa ilizwi, esithi, Yesu, Mongameli, senzele inceba.

14Ewabonile ke, wathi kuwo, Hambani niye kuzibonakalalisa kubabingeleli. Kwathi ekuyeni kwawo, ahlanjululwa.

15Ithe ke enye kuwo apho, yakubona ukuba iphilisiwe, yabuya imzukisa uThixo ngezwi elikhulu.

16Yawa ngobuso ezinyaweni zakhe, ibulela kuye; yaye yona ingumSamariya.

17Waphendula ke uYesu wathi, Babengahlanjululwanga belishumi na? Baphi na ke abasithoba?

18Akufumanekanga na babuyileyo, besiza kuzukisa uThixo, ngulo wolunye uhlanga yedwa na?

19Wathi kuye, Vuka, uhambe; ukholo lwakho lukusindisile.

Ubukumkani bamazulu bufika ngequbuliso

20Ke kaloku, akubuzwa ngabaFarisi ukuba ubukumkani bukaThixo buya kufika nini na, wabaphendula wathi, Ubukumkani bukaThixo abufiki bunokulolongeka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Kanjalo akuyi kuthiwa, Nabu apha! Nabuya phaya! Kuba, yabonani, ubukumkani
bukaThixo bungaphakathi kwenu.

22Wathi ke kubo abafundi, Kuya kufika mihla, niya kunqwenela ngayo ukuwubona
noko umnye umhla woNyana woMntu, ningawuboni;

23baya kuthi ke kuni, Nanku apha! Nankuya phaya! Musani ukuya, ningaphuthumi
nokuphuthuma.

24Kuba kwanjengokuba umbane ubaneka, uphuma kwelinye icala eliphantsi kwezulu,
ukhanye usingise kwelinye eliphantsi kwezulu, uya kuba njalo noNyana woMntu
ngomhla wakhe.

25Kodwa kuqala umelwe kukuthi eve ubunzima obuninzi, alahlwe sesi sizukulwana.

26Njengoko kwaye kuhlé ngemihla kaNowa, koba njalo nangemihla yoNyana
woMntu.

27Babesidla, babesela, babezeka, babesendisa, kwada kwayimini awangena ngayo
uNowa emkhombeni; wafika unogumbe, wabatshabalalisa bonke.

28Njengoko kwaye kunjalo nangemihla kaLote; babesidla, babesela, babethenga,
babethengisa, babetyala, babesakha;

29kodwa ngemini awaphuma ngayo uLote eSodom, kwaná umlilo nesulfure ezulwini,
batshatyalaliswa bonke.

30Kuya kuba kwanjengoko ngemini atyhileka ngayo uNyana woMntu.

31Ngaloo mini, oya kuba phezu kwendlu, zibe iimpahla zakhe zisendlwini, makangehli
aye kuzithabatha. Kwangokunjalo, nosentsimini makangabuyeli kwezisemva.

32Khumbulani umkaLote.

33Othe wafuna ukuwushindisa umphefumlo wakhe, wolahlekelwa nguwo; othe
wawulahla, uya kuwulondoloza.

34Ndithi kuni, Ngobo busuku ababini boba sililini sinye; omnye amkelwe, omnye
ashiywe.

35Amankazanaamabini oba esila ndawonye; enye yamkelwe, enye ishiywe.

36Abantu ababini boba sentsimini; omnye amkelwe, omnye ashiywe.

37Baphendula bathi kuye, Phi na, Nkosi? Ithe ke yona kubo, Apho sikhona isidumbu,
aya kuhlanganisana khona amaxhalanga.

ULuka 18

Umzekeliso womgwebi ongenabulungisa

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku, wayethetha nomzekeliso kubo, wokuba bamelwe kukuhlala bethandaza, bangethi amandla; esithi

2Kwaye kukho umgwebi emzini othile, ongamoyikiyo uThixo, ongamhloneleyo nomntu.

3Bekukho ke umhlolokazi othile kuloo mzi, obemana ukuza kuye, esithi, Ndíkhulule kummangaleli wam.

4Kwaba mzuzu engavumi; kodwa kamva wathi ngaphakathi kwakhe, Nakuba ndingamoyiki uThixo, ndingamhlonele nomntu:

5noko, ngenxa yokuba lo mhlolokazi endibulala, ndomlungisa, ndimkhulule, hleze ade eze andaphule.

6Ithe ke iNkosi, Kuveni okuthethwa ngumgwebi ongalungisiyo.

7Ke yena uThixo akayi kukha abalungise na abanyulwa bakhe, abakhala kuye imini nobusuku, noko azeka kade umsindo ngabo?

8Ndithi kuni, Uya kubalungisa, abakhulule kamsinya. Kodwa ke akufika uNyana woMntu, wolufumana na ke ukholo ehlabathini apha?

Umzekeliso womFarisi nombuthi werhafu

9Ke kaloku wathetha lo mzekeliso nakwabathile, ababekholose ngokuthi ngaphakathi kwabo bangamalungisa, bengabenzé nto abanye:

10Amadoda amabini enyuka aya etempileni, esiya kuthandaza; enye ingumFarisi, enye ingumbuthi werhafu.

11UmFarisi, ezimise yedwa, wayethandaza esithi, Thixo, ndiyabulela kuwe, ukuba ndingènjengabanye abantu, abaphangi, abangemalungisa, abakrexezi; ndingènjengaye nalo mbuthi werhafu.

12Ndizila ukudla kabini ngeveki, ndinikela izishumi zako konke endikuzuzayo.

13Waye umbuthi werhafu emi kude, engathandi nokuphakamisela amehlo akhe ezulwini; wamana ukubetha esifubeni sakhe, esithi, Thixo, yiba netarhu kum, mna moni.

14Ndithi kuni, Wehla lo waya endlwini yakhe, egwetyelwe yena kunalowa; ngokuba wonke umntu oziphakamisayo uya kuthotywa; nozithobayo ke uya kuphakanyiswa.

UYesu nabantwana
(UMat. 19:13-15)

15Ke kaloku baye bezisa kuye neentsana zabo, ukuze azichukumise; bebonile ke abafundi, babakhalimela.

16Ke yena uYesu wazibizela kuye, wathi, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli; kuba ubukumkani bukaThixo bubobabo banjalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Inene, ndithi kuni, Othe akabamkela ubukumkani bukaThixo njengomntwana,
akasayi kukha angene kubo.

Indodana esisityebi
(UMat. 19:16-30)

18Umphathi othile wambuza, esithi, Mfundisi ulungileyo, mandenze ntoni na, ukuze
ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?

19Uthe ke uYesu kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? Akukho ulungileyo, mnye
kwaphela, nguThixo.

20Ùyayazi imithetho: musa ukukrexeza, musa ukubulala, musa ukuba, musa
ukungqina ubuxoki, beka uyihlo nonyoko.

21Uthe ke yena, Zonke ezo zinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam.

22Ekuvile ke oko uYesu, wathi kuye, Kusekho ntonye uyisweleyo; zonke izinto onazo
thengisa ngazo, wabele amahlwempu; woba nobutyebi ke emazulwini; uze
undilandele.

23Ezivile ke ezo ndawo, waba buhlungu kakhulu; kuba ube esisityebi kunene.

24UYesu akumbona ke ebuhlungu kakhulu, wathi, Hayi, ukuba ngenkankulu, ukuthi
abo banobutyebi bangene ebukumkanini bukaThixo.

25Kuba kulula ukuba inkamela iphumele entunjeni yenaliti, kunokuba isityebi singene
ebukumkanini bukaThixo.

26Báthi ke abo bevayo, Ngubani na ke ongásindiswayo?

27Uthe ke yena, Izinto ezingenakwenzeka kubantu, zinokwenzeka kuye uThixo.

28Uthe ke uPetros, Uyabona, thina sishiye izinto zonke, sakulandela.

29Uthe ke yena kubo, Inene, ndithi kuni, Akukho namnye ushiye indlu, nokuba
ngabazali, nokuba ngabazalwana, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantwana, ngenxa
yobukumkani bukaThixo,

30ongasayi kwamkela izinto eziphindaphindiweyo ngalo eli xesha, aze ngelo lizayo
iphakade amkele ubomi obungunaphakade.

UYesu okwesithathu ukuxela kwangaphambili ukufa kwakhe
(UMat. 20:17-19)

31Ke kaloku ubathabathile abalishumi elinababini, wathi kubo, Niyabona, siyenyuka,
siya eYerusalem; zaye ziya kuphelela zonke izinto ezibhaliweyo ngabaprofeti, kuye
uNyana woMntu.

32Kuba uya kunikelwa kuzo iintlanga, kudlalwe ngaye, aphathwe kakubi, atshicelwe;
zimtyakatye, zimbulale;

33athi ngomhla wesithathu abuye avuke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Bona àbaqondanga nento kwezi zinto; laye neli lizwi lifihlakele kubo, babengazazi izinto ezithethwayo.

Imfama yaseYeriko
(UMat. 20:29-34)

35Kwaye ke kaloku, ekusondeleni kwakhe eYeriko, kuhleli imfama ethile ngasendleleni, ingqiba.

36Ithe yakuva kudlula isihlwele, yamana ibuza ukuba ingaba yintoni na le.

37Bayixelela ke ukuba kudlula uYesu waseNazarete.

38Yabhomboloza isithi, Yesu, nyana kaDavide, ndénzele inceba.

39Baye abo babehamba ngaphambili beyikhalimela, ukuba ithi tu; kwaba kukhona ke yona ikhalayo ngakumbi, isithi, Nyana kaDavide, ndénzele inceba.

40Wema ke uYesu, wathi mayiziswe kuye. Yakusondela ke wayibuza, esithi,

41Ùfuna ukuba ndikwenzele ntoni na? Ithe ke yona, Nkosi, ukuba ndibuye ndibone.

42UYesu wathi kuyo, Buya ubone; ukholo lwakho lukusindisile.

43Kwangoko yabuya yabona, yamlandela imzukisa uThixo; bathi bonke abantu, bakukubona oko, badumisa uThixo.

ULuka 19

UZakeyu

1Waye engene uYesu, ecanda eYeriko.

2Kwakho ndoda ibizwa ngegama elinguZakeyu; yaye yona iyintloko yababuthi berhafu; yaye isisityebi yona.

3Yayifuna ukumbona uYesu, ukuba ngubani na; ayaba nako ngenxa yendimbane, ngokuba ngesithomo yayimfutshane.

4Yagidima ngaphambili, yakhwela kumthombe ukuze imbone; ngokuba ebeza kudlula ngapho.

5Akufika kuloo ndawo, wakhangela phezulu uYesu, wayibona, wathi kuyo, Zakeyu, khawuleza uhle; kuba namhlanje ndimelwe kukuhlala endlwini yakho.

6Wakhawuleza ke, wehla, wamamkela ngobubele, evuya.

7Baye bonke, bakuyibona loo nto, bekrokra, besithi, Úngené waya kulala kwindoda engumoni.

8Wema ke uZakeyu, wathi kuyo iNkosi, Uyabona, isiqingatha sempahla yam, Nkosi, ndisinika amahlwempu; nokuba ndidlé into kabani ngokumtyhola, ndimbuyisela kané.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Uthe ke uYesu kuye, Namhlanje kufiké usindiso kule ndlu, ngokokuba naye engunyana ka-Abraham;

10kuba uNyana woMntu weza kufuna nokusindisa oko kulahlekileyo.

Umzekeliso weemina
(UMat. 25:14-30)

11Ke kaloku, bakubon' ukuba bayaziva ezi zinto, uqokele wathetha umzekeliso, ngenxa yokuba ebekufuphi eYerusalem, nangokuba babesiba ubukumkani bukaThixo buza kubonakala kwangoko.

12Wathi ngoko, Umntu othile olinene wahambela ezweni elikude, eya kuzamkelela ubukumkani, aze abuye.

13Ubabizile ke abakhonzi bakhe abalishumi, wabanika iimina zalishumi, wathi kubo, Rhwebani, ndide ndifike.

14Ke abemi bomzi wakhe babemthiyile, bathuma izigidimi emva kwakhe, besithi, Asithandi ukuba lo abe ngukumkani phezu kwethu.

15Kwathi, akuba ebuyile, ebamkele ubukumkani, wathi, mababizelwe kuye abo bakhonzi abebanike imali leyo, ukuze azi ukuba unantsi urhwebe ntoni na.

16Wavela ke owokuqala esithi, Nkosi, imina yakho izele iimina zalishumi.

17Uthe kuye, Hee ke, mkhonzi ulungileyo; ngokuba wàba nokuthembeka entweni encinanana, yiba negunya kwimizi elishumi.

18Weza nowesibini, esithi, Nkosi, imina yakho yenze iimina zantlanu.

19Uthe ke nakulowo, Nawe yiba phezu kwemizi emihlanu.

20Weza nomnye esithi, Nkosi, nantsi imina yakho endibe ndinayo, ndiyibeke eqhiyeni;

21kuba ndibe ndikoyika wena, ngokuba ungumntu obungqabangqaba, uthabatha into ongayibekanga, uvune into ongayihlwayelanga.

22Athi ke kuye, Ndiya kukugweba ngokuphuma emlonyeni wakho, mkhonzindini ungendawo; ubusazi nje ukuba mna ndingumntu obungqabangqaba, othabatha into angayibekanga, avune into angayihlwayelanga;

23ibiyini na phofu, ukuba ungayibeki imali yam ebhankini, ndaza mna ekufikeni ndaba ndiyibize inenzala?

24Wathi kwababemi ngakhona, Mhlutheni imina leyo, niyinike lowo uneemina ezilishumi.

25Bathi ke kuye, Nkosi, uneemina ezilishumi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

26Kuba ndithi kuni, Wonke umntu onako uya kunikwa; ongenako ke, uya kuhluthwa kwanoko anako.

27Ke zona ezo ntshaba zam zazingathandanga ukuba ndibe ngukumkani phezu kwazo, ziziseni apha, nizincinithe phambi kwam.

UYesu ungena eYerusalem ekhwele iesile

(UMat. 21:1-11)

28Waye, akuba ezithethile ezi zinto, ehamba ngaphambili, enyuka esiya eYerusalem.

29Kwathi, akusondela eBhetefage naseBhetani, esingise entabeni ekuthiwa yeyemiNquma, wesusa bababini kubafundi bakhe, wathi,

30Hambani niye emzaneni lo ukhangelene nani; nòthi, nakungena kuwo, nifumane ithole le-esile libotshelelwe, ekungazanga kuhlale namnye umntu phezu kwalo; likhululeni nilizise.

31Nokuba ubani uyanibuza, esithi, Yini na ukuba nilikhulule? nòthi ukuthetha kuye, Liyafuneka eNkosini.

32Basuka ke baya abo babethunyiwe, bafumana kunjengoko abekutshilo kubo.

33Ke kaloku, bakubon' ukuba bayalikhulula ithole, bathi abaninilo kubo, Nilikhululelani na ithole?

34Bathi ke bona, Liyafuneka eNkosini.

35Balizisa kuYesu, baphosa iingubo zabo phezu kwethole elo, bamkhwelisa uYesu.

36Akubon' ukuba uyahamba ke, bamana bezandlala iingubo zabo endleleni.

37Ke kaloku, akubon' ukuba selesondele ekuhlèni kwayo iNtaba yemiNquma, yaqala yonke inkitha yabafundi yavuya, yadumisa uThixo ngezwi elikhulu, ngayo yonke imisebenzi yamandla abayibonáyo;

38besithi, Makabongwe lo Kumkani uzayo egameni leNkosi; uxolo emazulwini, uzuko enyangweni.

39Abathile kubaFarisi esihlweleni apho bathi kuye, Mfundisi, bakhalimele abafundi bakho.

40Waphendula wathi kubo, Ndithi kuni, kungáthi kuthe cwaka aba, kunkqangaze amatye la.

41Akusondela, wawubona umzi, wawulilela, esithi,

42Akwaba ubusazi nawe lo kwangayo yona le mini yakho, izinto ezizezoxolo lwakho! Ke kungoku zifihliwe emehlweni akho.

43Ngokuba ùya kufikelwa yimihla, eziya kuthi iintshaba zakho zikubiyele ngodonga, zikungqinge, zikuxine ngeenxa zonke,

© 1975 Bible Society of South Africa.

44zikukhahlele phantsi wena, nabantwana bakho phakathi kwakho; zingashiyi nelitye phezu kwelitye phakathi kwakho, ngenxa enokuba ungalazanga ixesha lokuvelelwa kwakho.

Ukuhlanjululwa kwetempile
(UMat. 21:12-17)

45Waza, eye kungena etempileni, waqala ukubakhupha abo babethengisa kuyo, nababethenga;

46esithi kubo, Kubhaliwe kwathiwa, Indlu yam yindlu yokuthandaza; ke nina niyenzé umqolomba wezihange.

47Wayefundisa imihla ngemihla etempileni apho. Baye ke ababingeleli abakhulu nababhali, kwanabaziintloko zabantu, befuna ukumtshabalalisa.

48Baye ke bengafumani nto bangayenzayo; kuba bonke abantu babenamathele kuye, bemphulaphula.

ULuka 20

Igunya likaYesu
(UMat. 21:23-27)

1Kwathi ngenye imini, akubon' ukuba uyabafundisa abantu etempileni, eshumayela iindaba ezilungileyo, wafikelwa ngababingeleli abakhulu nababhali, kunye namadoda amakhulu.

2Bathetha kuye besithi, Sixelele; ùzenza ngagunya lini na ezi zinto? Kanjalo ngubani na okunike eli gunya?

3Waphendula ke wathi kubo, Nam ndiya kubuza kuni zwi-nye, ize nindixelele ke.

4Ubhaptizo lukaYohane lwaluphuma emazulwini, lwaluphuma ebantwini, sini na?

5Bacamanga ke bona bodwa, besithi, Ukuba sithe, Lwaphuma emazulwini, wothi, Ibiyini na phofu ukuba ningakholwa nguye?

6Ukuba ke sithe, Lwaphuma ebantwini, bonke abantu bosigibisela ngamatye; kuba beyisekile ukuba uYohane ungumprofeti.

7Baphendula ngokuthi, àbazi ukuba lwaphuma phi na.

8Wathi ke uYesu kubo, Nam ke andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.

Umzekeliso wesidiliya
(UMat. 21:33-46)

9Ke kaloku waqala wathetha ebantwini lo mzekeliso: Umntu othile watyala isidiliya, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambela kwelinye ilizweumzuzu owaneleyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Wathi ngalo ixesha elifanelekileyo, wathuma umkhonzi kubalimi, ukuba bamnike esiqhameni sesidiliya. Basuka ke bona abalimi bamtyabula, bamndulula elambatha.

11Waphinda wathuma omnye umkhonzi. Bamtyabula ke nalowo, bamhlazisa, bamndulula elambatha.

12Waphinda wathuma nowesithathu. Bathi ke bona bamngxwelerha nalowo, bamkhupha.

13Uthe ke umninisidiliya, Ndiya kuthini na? Ndiya kuthuma unyana wam oyintanda; mhlawumbi, bakumbona, bangamhlonela yena.

14Bathe ke abalimi, bakumbona, bacamanga bodwa, besithi, Yindlalifa le; yizani siyibulale, ukuze ilifa libe lelethu.

15Bamkhuphela ngaphandle kwesidiliya, bambulala. Úya kuthini na ke ngoko kubo umninisidiliya?

16Uya kufika abatshabalalise abo balimi, asinikele bambi isidiliya eso. Bathe ke bakukuva oko, Mayingabikho loo nto!

17Wondela ke kubo, wathi, Yintoni na phofu le ibhaliweyo: Ilitye abalicekisáyo abakhi, Lelona laba yintloko yembombo? (INdum. 118:22)

18Bonke abathe bawa phezu kweli litye, botyumka; ke bona elithe labawela, lobabetha bathi saa.

Umbuzo malunga nerhafu

(UMat. 22:15-22)

19Baza ababingeleli abakhulu nababhali bafuna ukumsa izandla ngelo lixa; boyika abantu, kuba babesazi ukuba uwuthethe esingisele kubo lo mzekeliso.

20Bamlalela, bathuma iintlola ezizenza amalungisa, ukuba zimbambise ngokuthetha, ukuze bamnikele elulawulweni nasegunyeni lerhuluneli.

21Zambuza ke zisithi, Mfundisi, siyazi ukuba uthetha ufundise ngobulungisa, ungakhethi buso bamntu; usuka ufundise indlela kaThixo ngenene.

22Kuvumelekile na ukuba simnike irhafu uKesare, akuvumelekile, sini na?

23Ebuqondile kakuhle ubuqhetseba bazo, wathi kuzo, Nindilingelani na?

24Ndiboniseni idenariyo. Inomfanekiso nombhalo kabani na? Ziphendule ke zathi, KaKesare.

25Uthe ke yena kuzo, Nikelani kaloku izinto zikaKesare kuKesare; nezinto zikaThixo kuThixo.

26Zakhohlwa ukumbambisa ngamazwi phambi kwabantu, zamangaliswa yimpendulo yakhe, zathi cwaka.

AbaSadusi novuko

© 1975 Bible Society of South Africa.

(UMat. 22:23-33)

27Kwafika ke kuye abathile bakubaSadusi, bona abo bakuphikayo ukuba kukho uvuko;

28bambuza, besithi, Mfundisi, uMoses wasibhalela wathi, Ukuba ozalana nothile uthe wafa enomfazi, wafa ke lowo engenabantwana, maze ozalana naye amzeke umfazi lowo, amvelisele imbewu ozalana naye.

29Ke bekukho abantu abasixhenxe bezalana; waza owokuqala wazeka umfazi, wafa engenabantwana.

30Nowesibini wamzeka umfazi lowo, wafa naye engenabantwana.

31Nowesithathu wamzeka; benjenjalo ke bosixhenxe, bafa bengashiyanga bantwana.

32Emveni ke kwabo bonke, wafa naye umfazi lowo.

33Eluvukweni ngoko, ungumfazi wawuphi na kubo? Kuba bosixhenxe bebenaye engumfazi.

34Waphendula ke wathi kubo uYesu, Abeli phakade bayazeka, bayendiswa;

35ke bona abo kuthiwe bafanele ukufika kwelo phakade, nakukuvuka kwabafileyo, abazeki, abendiswa;

36kuba abasenakubuya bafe; kuba bengangezithunywa zezulu; kanjalo bangoonyana bakaThixo, bengabovuko njalo.

37Ke kaloku, le ndawo yokuba abafileyo bayavuka, noMoses wayithi thupha kwindawo ethetha ngetyholo, xenikweni athi, INkosi inguThixo ka-Abraham, inguThixo kaIsake, inguThixo kaYakobi.

38AkaThixo ke wabafileyo, ungowabaphilileyo; kuba bonke baphile ngaye.

39Baphendula ke abathile bakubabhali, bathi, Mfundisi, utyaphile ukutsho.

40Baye ke bengasenabuganga bakumbuza nento le.

UKristu, unyana kaDavide

(UMat. 22:41-46)

41Wathi ke kubo, Batsho ngani na ukuthi, uKristu ungunyana kaDavide?

42Kanti noDavide yena ngokwakhe uthi encwadini yeeNdumiso, Yathi iNkosi eNkosini yam, Hlala ngasekunene kwam,

43Ndide iintshaba zakho ndizenze isihlalo seenyawo zakho. (INdum. 110:1)

44UDavide ngoko umbiza ngokuthi, Nkosi; aze abe ke ngunyana wakhe ngani na?

Ukulunyukiswa ngakubabhali

(UMat. 23:1; uMarko 12:38-40)

45Ke kaloku, bakubon' ukuba bayeva bonke abantu, wathi kubafundi bakhe,

© 1975 Bible Society of South Africa.

46Balumkeleni ababhali, abathandayo ukuhamba ngeengubo ezinde, bathande imibuliso ezindaweni zembutho, nezihlalo zobukhulu ezindlwini zesikhungu, nezilili zobukhulu ezidlweni;

47abadla izindlu zabahlolokazi, baze ngokunyhwalaza bathandaze uzungu. Abo baya kwamkela ugwebo olugqithiseleyo.

ULuka 21

Imalana encinane yomhlolokazi

(UMarko 12:41-44)

1Ke kaloku akubheka, wazibona izityebi, ziphosa iminikelo yazo emkhumbini wokulondoloza imali.

2Wabona ke mhlolokazi uthile ulihlwempu, ephosa apho iimalanana ezimbini.

3Wathi, Inyaniso ndithi kuni, Lo mhlolokazi usweleyo uphose ngaphezu kwabo bonke;

4kuba bonke aba baphose eminikelweni kaThixo, bethabatha kwintabalala yabo; ukanti lo, ekusweleni kwakhe, uphose yonke impilo abenayo.

Intshumayelo yesiprofeto: Ukuqala kweentlungu

(UMat. 24:1-14)

5Ke kaloku, kwakubon' ukuba abathile bayathetha ngayo itempile, ukuba ihonjiswe ngamatye amahle nangeminikelo, wathi,

6Ezi zinto nizibona nje, kuya kufika imihla ekungayi kusala litye phezu kwelitye, elingayi kuchithwa.

7Bambuza ke besithi, Mfundisi, ziya kubakho nini na ke ezi zinto? Úya kuba yintoni na nomqondiso, xa ngaba ezi zinto ziza kubakho?

8Wathi ke yena, Lumkani ningalahlekiswa; kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi, banguye uKristu; ewe, ixesha lisondele; ngoko musani ukubalandela.

9Xa nithe neva iimfazwe neziphithiphithi, musani ukunkwantya; kuba ezo zinto zimele ukuthi zihle kuqala; sona ke isiphelo asiyi kuba kwaoko.

10Wandula wathi kubo, Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani.

11Kuya kubakho iinyikima zomhlaba ezinkulu kwiindawo ngeendawo, neendlala, neendyikitya zokufa; kuya kubakho izinto ezoyikekayo, kwanemiqondiso emikhulu evela ezulwini.

12Ngaphambili ke kwazo zonke ezo zinto, baya kunísa izandla, banitshutshise, beninikela ezindlwini zesikhungu nasezintolongweni, nisiwe phambi kookumkani neerhuluneli ngenxa yegama lam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Oko ke kuya kuthi kube bubungqina kuni.

14Kumiseni ngoko ezintliziyweni zenu, ukuba ningàkucingi ngaphambili ukuziphendulela.

15Kuba mna ndiya kuninika umlomo nobulumko, abangayi kuba nako ukubuphikisa nokumelana nabo, bonke abanichasileyo.

16Ke kaloku niya kunikelwa nangabazali, nangabazalwana, nayimizalwane, nazizihlobo, kubekho nababababulalayo kuni;

17nithiywe ngabantu bonke ngenxa yegama lam.

18Akusayi kutshabalala nonwele olu entlokweni venu.

19Ekunyamezeleni kwenu, noyizuza imiphefumlo yenu.

Intshutshiso enkulu
(UMat. 24:15-28)

20Xa nithe nayibona iYerusalem irhawulwe yimikhosi, yazini oko ukuba kusondele ukuphanza kwayo.

21Ngelo xa mabathi abakwelakwaYuda basabele ezintabeni, nabo baphakathi kwayo mabaphume bemke, nabo basemaphandleni mabangangeni kuyo.

22Ngokuba yimihla yempindezelo leyo, ukuze kuzaliseke konke okubhaliweyo.

23Yeha ke, abamithiyo nabanyisayo ngaloo mihla; kuba kuya kubakho ingxakeko enkulu phezu kwawo umhlaba, nengqumbo kwaba bantu;

24bawe ngohlangothi lwekrele, bathinjwe, basiwe kuzo zonke iintlanga, neYerusalem inyathelelwe phantsi ziintlanga, ade azaliseke amaxesha eentlanga.

Ukubuya koNyana woMntu
(UMat. 24:29-35)

25Kuya kubakho imiqondiso elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini; nasemhlabeni kubekho ukuxinezeleka kweentlanga, zithingaza; lugquma ulwandle namaza;

26abantu besifa kukoyika nakukulindela izinto ezilizelayo elimiweyo; kuba amandla ezulu aya kuzanyazanyiswa.

27Baya kwandula ke ukumbona uNyana woMntu, esiza ngelifu, enamandla nobuqaqawuli obukhulu.

28Ke kaloku, zakubon' ukuba ezi zinto ziyaqala ukuhla, sukani nime, niziphakamise iintloko zenu, ngenxa yokuba iyasondela inkululeko yenu.

29Wathetha umzekeliso kubo, wathi, Wukhangeleni umkhiwane nemithi yonke;

30xa iselithe yavelisa amagqabi, niyabona nazi ngokwenu ukuba ihlobo selikufuphi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Kwangokunjalo nani, xa nithe nazibona ezi zinto zisihla, yazini ukuba bukufuphi ubukumkani bukaThixo.

32Inene ndithi kuni, Asiyi kukha sidlule esi sizukulwana, zide zihle zonke ezi zinto.

33Liya kudlula izulu nehlabathi; ke wona amazwi am akasayi kudlula.

Phaphani nikhunge!
(UMat. 24:36-44)

34Zilumkeleni ke, hleze zisindwe iintliziyo zenu kukuzingxala, nakukunxila, nangamaxhala obu bomi, ize loo mini inifikele ngebhaqo.

35Kuba iya kubazela njengomgibe bonke abahleliyo phezu kwehlabathi lonke.

36Phaphani ngoko, amaxesha onke nikhunga, ukuze kuthiwe nikufanele ukuzisaba zonke ezo zinto ziza kuhla, nokumiswa phambi koNyana woMntu.

Umvuzo womngcatshi
(UMat. 26:1-5,14-16)

37Ke kaloku, emini ebefundisa etempileni; athi ngobusuku aphume, aye kulala entabeni ekuthiwa yeyemiNquma.

38Bonke ke abantu babesiza kuye kwakusasa etempileni, ukuba beve ukuthetha kwakhe.

ULuka 22

1Ke kaloku, wawusondela umthendeleko wezonka ezingenagwele, ekuthiwa yipasika.

2Baye ababingeleli abakhulu nababhali befuna ukuba bangáthini na ukumbulala, kuba bebesoyika abantu.

3Wangena ke uSathana kuYuda, ogama limbi linguSikariyoti, ongowenani labalishumi elinababini.

4Wemka, waya wathetha nababingeleli abakhulu nabaphathi betempile, ukuba angáthini na ukumnikela kubo.

5Bavuya, banqophisana naye ukumnika imali, wabavumela,

6wamana efuna ithuba elimlungeleyo lokumnikela kubo, kungekho siphendu.

Ipasika yokugqibela nesidlo seNkosi
(UMat. 26:17-30)

7Wafika ke umhla wezonka ezingenagwele, ekwakumele ukuthi ngawo kubingwe imvana yepasika.

8Wesusa uPetros noYohane, wathi, Hambani niye kusilungisela ipasika, ukuze sidle.

9Bathe ke bona kuye, Ùfuna ukuba siyilungise phi na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Úthe ke yena kubo, Yabonani, nákungena kuwo umzi lo, nohlangatyezwa ngumntu ethwele umphanda wamanzi; mlandeleni, niye endlwini angena kuyo.

11Nòthi kumninindlu, Úthi uMfundisi kuwe, Liphi na igumbi labahambi, apho ndingadlela khona ipasika nabafundi bam?

12Kwayena wonibonisa igumbi eliphezulu elikhulu, landlelwe; lungisani apho ke.

13Bemka ke, bafumana kunjengoko ebetshilo kubo, bayilungisa ipasika.

14Uthe ke lakufika ilixa, wahlala phantsi, nabapostile abalishumi elinababini kunye naye.

15Wathi kubo, Asikuko nokuba ndinqwenile ukuyidla nani le pasika, ndingekabuva ubunzima.

16Kuba ndithi kuni, Andiyi kubuya ndibe sadla kuyo, ide izaliseke ebukumkanini bukaThixo.

17Wamkela indebe, wabulela, wathi, Yithabatheni, nabelane ngayo.

18Kuba ndithi kuni, Andisayi kusela kwisiqhamo somdiliya, bude bufike ubukumkani bukaThixo.

19Wathabatha isonka, wathi akubulela waqhekeza, wabanika, esithi, Ngumzimba wam lo, onikelwa ngenxa yenu; oku kwenzeleni ukundikhumbula.

20Kwangokunjalo nayo indebe wayithabatha, kwakukhovwa ukudliwa, esithi, Le ndebe ingumnqophiso omtsha osegazini lam, eliphalalela nina.

21Kodwa niyabona, isandla sondingcatshayo sinam etafileni apha.

22UNyana woMntu okunene uyemka, njengoko kumisiweyo; kodwa ke, yeha, loo mntu angcatshwa nguye!

23Baqala bona ukubuzana phakathi kwabo, ukuba ingaba ke nguwuphi na kubo, oza kuyenza le nto.

Oyena mkhulu uya kuba ngomncinane

(UMat. 20:25-28)

24Ke kaloku kwabakho nokubangisana phakathi kwabo, kokuthi, nguwuphi na kubo ekungáthiwa ngomkhulu.

25Uthe ke yena kubo, OoKumkani beentlanga bayazigagamela; kwanâbo benza ngegunya kuzo, kuthiwa ngabancedi.

26Ke nina ze ningabi njalo: omkhulu kuni, makabe njengomnci; nongumphathi makabe njengomlungiseleli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Kuba nguwuphi na omkhulu: ngulowo uhleli esithebeni, ngulowo ulungiselelayo,
kusini na? Asingulowo uhleli esithebeni na? Ke mna phakathi kwenu
ndinjengomlungiseleli.

28Nina ke ningabo basoloko behleli nam ekulingweni kwam.

29Nam ndinimisela ubukumkani, njengokuba uBawo endimisele mna, ukuze nidle,
nisele,

30esithebeni sam ebukumkanini bam, nihlale ezitroneni, nigweba izizwe ezilishumi
elinazibini zakwaSirayeli.

UPetros uyalunyukiswa

(UMat. 26:33-35)

31Ithe ke iNkosi, Simon, Simon, úyabona, uSathana ubenibanga, ukuba anelé
njengengqolowa.

32Ke mna ndikhungile ngawe, ukuba ukholo lwakho lungapheli; nawe ke, xa ubuye
wabuya, uze ubazimase abazalwana bakho.

33Wathi ke yena kuyo, Nkosi, sendikulungele ukuya nawe nasentolongweni,
nasekufeni.

34Ithe ke yona, Ndithi kuwe, Petros, ayisayi kulila namhlanje inkuku, ungekakhanyeli
kathathu ukuba uyandazi.

Amakrele amabini

35Yathi kubo, Okuyá ndanithuma ningenangxowa yamali, nangxowa yamphako,
nazimbadada, khe naswela nto na?

36Bathi ke bona, Nento le. Ithe ke kubo, Kungokunje, lowo unengxowa yemali
makayithabathe, enjenjalo nonengxowa yomphako; nalowo usweleyo, makathengise
ngengubo yakhe, athenge ikrele.

37Kuba ndithi kuni, Oku kubhaliweyo kusamele ukufezeka kum, khona oku: Wabalwa
nabachasi-mthetho; kuba kananjalo izinto ezingam zinemfezeko.

38Bathi ke bona, Nkosi, uyabona, nanga amakrele emabini. Ithe ke yona kubo,
Kwanele.

UYesu eGetsemane

(UMat. 26:36-46)

39Uphumile ke, waya ngokwesiko lakhe eNtabeni yemiNquma, bamlandela ke
nabafundi bakhe.

40Efikile ke kuloo ndawo, wathi kubo, Thandazani, ningangeni ekulingweni.

41Waziqhiwula yena kubo umgama ongangokugibisela ilitye, waguqa ngamadolo
wathandaza, esithi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

42Bawo, ukuba ùyavuma, mayidlule le ndebe kum; kodwa makungabi kukuthanda kwam, makube kokwakho okwenzekayo.

43Kwabonakala ke kuye isithunywa, sivela ezulwini, simomeleza.

44Uthe ke, eneminzunzu, kwaba kukhona athandaza enyamekile. Kwathi ke ukubila kwakhe kwanga kungamathontsi amakhulu egazi, esiwa emhlabeni.

45Wavuka ekuthandazeni, weza kubafundi bakhe, wabafumana belele ngokuba buhlungu kwentliziyo.

46Wathi kubo, Yini na ukuba nilale? Vukani, nithandaze, ukuze ningangeni ekulingweni.

UYesu uyabanjwa

(UMat. 26:47-56)

47Ke kaloku, akubon' ukuba usathetha, kwathi gqi indimbane, waye nalowo kuthiwa nguYuda, omnye weshumi elinababini, ehamba phambi kwabo; wasondela kuYesu eza kumanga.

48Uthe ke uYesu kuye, Yuda, umngcatsha uNyana woMntu ngokumanga na?

49Ke kaloku abo babemphahlile, bakukubona okuza kuhla, bathi kuye, Nkosi, sixabele na ngekrele?

50Omnye kubo abo wamxabela umkhonzi wombingeleli omkhulu, wamnqamla indlebe yokunene.

51Waphendula ke uYesu wathi, Yekani, kwanele. Wayichukumisa indlebe yakhe, wamphilisa.

52Uthe ke uYesu kwabo babemfikele, ababingeleli abakhulu, nabaphathi betempile, namadoda amakhulu, Niphume ninamakrele neentonga na, nanga nize esihangeni?

53Bendinani imihla ngemihla etempileni, anolula zandla ngakum; kambe eli lilixa lenu, negunya lobumnyama.

UPetros ukhanyela uYesu

(UMat. 26:69-75)

54Bambambile ke, bamrhola, bamsa endlwini yombingeleli omkhulu; waye ke uPetros elandela ekude.

55Ke kaloku, bakubon' ukuba babàse umlilo phakathi kwentendelezo, behleli phantsi ndawonye, uthe wahlala uPetros phakathi kwabo.

56Ke umkhonzazana othile umbonile ehleli ebandezini, wamjonga wathi, Naló ube enaye.

57Wamkhanyela ke yena, esithi, Nkazanandini, andimazi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

58Kwakuba mzuzwana, omnye wambona wathi, Nawe ungowabo. Wathi ke uPetros, Mntundini, andinguye.

59Kwakuba kuhambe ilixa ngathi linye, omnye uqinisele wathi, Inyaniso, naló ubenaye; kuba ukwangowaseGalili.

60Uthe ke uPetros, Mntundini, andiyazi into oyithethayo. Kuthe kwangoko, esathetha, yalila inkuku.

61Yajika iNkosi, yondela kuPetros. Walikhumbula ke uPetros ilizwi leNkosi, njengoko ibithe kuye, Ingekalili inkuku, uya kundikhanyela kathathu.

62Waza uPetros, ephume phandle, walila ngokukrakra.

UYesu phambi kwentlanganiso yamatyala

(UMat. 26:57-68)

63Aye amadoda ambambileyo uYesu edlala ngaye, emtyakatya.

64Athe akuba emgqubuthele, ambetha ebusweni, ambuza esithi, Profeta; ngubani na lo ukubethileyo?

65Aye emthethela nezinye izinto ezininzi, enyelisa.

66Kuthe kwakusa, yahlanganisana intlanganiso yamadoda amakhulu abantu, nababingeleli abakhulu, kwanababhali, bamrholela entlanganisweni yabo yamatyala, besithi,

67Ukuba ùnguye UKristu wena, sixelele. Uthe ke yena kubo, Ukuba ndithe ndanixelela, anisayi kukholwa;

68nokuba ke ndithe ndanibuza, anisayi kundiphendula, anisayi kundikhululula.

69Ethabathela kweli xa, uNyana woMntu uya kuba ehleli ekunene kwamandla kaThixo.

70Bathi ke bonke, Ùnguye na ke wena uNyana kaThixo? Úthe ke yena kubo, Nani nithi ndinguye.

71Bathi ke bona, Sisabufunelani na ubungqina, kuba thina ngokwethu sivile ngomlomo wakhe.

ULuka 23

UYesu phambi koPilato noHerode

(UMat. 27:1,2; 11-31)

1Yesuka yonke inkitha yabo, yamrholela kuPilato.

2Baqala ke ukummangalela, besithi, Simfumene lo elulahlekisa uhlanga, engavumi ukuba kunikelwe irhafu kuKesare, esithi, únguKristu uKumkani yena ngokwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3UPilato wambuza ke, esithi, Ùnguye na uKumkani wamaYuda? Umphendule ke yena
wathi, Nawe utsho.

4Uthe ke uPilato kubabingeleli abakhulu nakwizihlwele, Andifumani tyala kuló mntu.

5Kwaba kukhona ke bajokisayo, besithi, Ùxhokonxa abantu, efundisa kulo lonke
elakwaYuda, eqalele kwelaseGalili, wada wezisa apha.

6Ke kaloku uPilato, akuva elaseGalili, wabuza ukuba umntu lo ngowaseGalili na.

7Wathi, akuqonda ukuba ngowasebukhosini bukaHerode, wamthumela kuHerode,
obe eseYerusalem naye ngaloo mihla.

8Ke kaloku uHerode, akumbona uYesu, wavuya kunene; kuba bekumzuzu ethanda
ukumbona, ngenxa yokuba ebeve kuthethwa izinto ezininzi ngaye; kanjalo
wayethembe ukubona umqondiso usenziwa nguye.

9Wayembuza ke amazwi amaninzi; ke yena akamphendulanga nento.

10Bema ke ababingeleli abakhulu nababhali, bemmangalela kabukhali.

11UHerode ke, kwanempi yakhe, wamenza into engento, wadlala ngaye, wamthi
wambu ngengubo eqaqambileyo, wamthumela kuPilato.

12Ngaloo mini baba zizihlobo ke uPilato noHerode; kuba ngenxa engaphambili
babenobutshaba phakathi kwabo.

13Ke kaloku uPilato, ebabizele ndawonye ababingeleli abakhulu,
nabaphathi bamaYuda, nabantu, wathi kubo,

14Nizise kum lo mntu, ngathi ngophambukisa abantu; niyabona ke, ndimncinile mna
emehlweni enu, andafumana tyala kulo mntu, kwezo zinto nimmangalele ngazo;

15kwanoHerode, kuba ndanithumela kuye. Nanku ke kungekho nto ifanelwe kukufa,
yenziwe nguye.

16Ndothi ke ngoko, ndakumbetha, ndimkhulule.

17Ke kaloku, ubemelwe kukuthi abakhululele umbanjwa abe mnye, imithendeleko
ngemithendeleko.

18Bankqangaza ke ngokuphela kwabo, besithi, Msuse lo, usikhululele uBharabhas,

19owayethe, ngenxa yesaqunge esithile, esibe senziwe phakathi komzi,
kwanokubulala, waphoswa entolongweni.

20Waphinda ngoko uPilato wathetha nabo, efuna ukumkhulula uYesu.

21Ke bona bamana benkqangaza, besithi, Bethelela emnqamlezweni; mbethelele
emnqamlezweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Uthe ke yena okwesithathu kubo, Kuba enzé bubi buni na lo? Andifumananga tyala lakufa kuye; ndothi ngoko, ndakumbetha, ndimkhulule.

23Bamxina ke bona ngezandi ezikhulu zamazwi, becela ukuba abethelelwe emnqamlezweni; aza ke eyisa amazwi abo, nawababingeleli abakhulu.

24Usuke ke uPilato wagweba ngelithi, masenziwe isicelo sabo.

25Wabakhululela ke owayethe ngenxa yesaqunge nokubulala waphoswa entolongweni, lowo babecela yena; wamnikela ekuthandeni kwabo uYesu.

Endleleni eya eGologota

26Kuthe ke xa bamrholayo, babamba Simon uthile, waseKirene, obevela emaphandleni; bawubeka phezu kwakhe umnqamlezo, ukuba awuthwale emva koYesu.

27Wayelandelwa ke yinkitha eninzi yabantu, neyabafazi ababemmbambazelela, bemlilela.

28Wabaguqukela ke uYesu, wathi, Zintombi zaseYerusalem, musani ukundililela mna; kanye zilileleni nina, nabantwana benu;

29ngokuba, yabonani, kuza imihla abaya kuthi ngayo, Banoyolo abaziindlolo, nezizalo ezingazalanga, namabele anganyisanga.

30Oko baya kuqala bathi ezintabeni, Siweleni; nasezindulini, Sigubungeleni.

31Ngokuba ukuba benza ezi zinto komanzi umthi, kuya kuba njani na kowomileyo?

Ukubethelelwa emnqamlezweni

(UMat. 27:33-56)

32Ke kaloku baberhola nabanye abangabámbi, bebabini, bengabenzi bobubi, beya kubulawa kunye naye.

33Bathi ke bakufika kwindawo le kuthiwa luKakayi, bambethelela emnqamlezweni khona apho, kwanabenzi bobubi abo, omnye ngasekunene, nomnye ngasekhohlo.

34Wathi ke uYesu, Bawo, baxolele; kuba abayazi into abayenzayo. Bathi ke, besabelana ngeengubo zakhe, benza amaqashiso.

35Baye bemi abantu bebonela. Babemsinekela ke nabaphathi bamaYuda kunye nabo, besithi, Wabasindisa abanye; makazisindise, ukuba lo unguye uKristu, umnyulwa kaThixo.

36Ayedlala ngaye ke namasoldati, esiza asondeze iviniga kuye, esithi,

37Ukuba wena ungyuye uKumkani wamaYuda, zisindise.

38Kwaye ke kubhalwe nombhalo ngaphezu kwakhe, ngamagama esiGrike, nawesiRoma, nawesiHebhere, kwathiwa, LO NGUKUMKANI WAMAYUDA.

© 1975 Bible Society of South Africa.

39Ke kaloku, omnye wabenzi bobubi ababexhonyiwe wayemnyelisa, esithi, Ukuba wena unguye uKristu, zisindise, nathi usisindise.

40Waphendula ke omnye wamkhalimela, esithi, Akumoyiki na wena uThixo, ukwakoku kugwetywa nje?

41Thina ke okunene sigwetywe ngobulungisa, kuba samkela okufanele esakwenzayo; kodwa yena lo akenzanga nto ingendawo.

42Wathi kuYesu, Uze undikhumbule, Nkosi, xa uthe weza usebukumkanini bakho.

43UYesu wathi kuye, Inene, ndithi kuwe, Namhlanje ùya kuba nam eParadisi.

44Ke kaloku, kwakumalunga nelixa lesithandathu, kwaza kwakho ubumnyama phezu kwawo umhlaba uphela, kwada kwaba lilixa lesithoba.

45Lenziwa mnyama ilanga; isikhuselo sendawo eyingcwele sakrazuka phakathi.

46Wadanduluka ngezwi elikhulu uYesu, wathi, Bawo, ndiyawunikela ezandleni zakho umoya wam. Uthe akuba etshilo, waphuma umphefumlo.

47Ke kaloku umthetheli-khulu, akukubona okuhlileyo, wazukisa uThixo, esithi, Inene, lo mntu ubelilungisa.

48Zathi zonke izihlwele ezabe zibuthelene kuloo mbonelo, zakukubona okuhlileyo, zabuya zibetha izifuba zazo.

49Baye ke bonke abazana naye bemi kude, nabafazi ababelandelene naye, bevela kwelaseGalili, bezikhangela ezi zinto.

Umngcwabo kaYesu
(UMat. 27:57-66)

50Kwaye ke kukho indoda egama linguYosefu, engumphakathi, indoda elungileyo,

51elilungisa (yona yayingavumelananga necebo labo, nesenzo sabo), eyaseArimatiya, umzi wamaYuda, eyayibulindile nayo ubukumkani bukaThixo;

52eyathi yona yeza kuPilato, yawucela umzimba kaYesu.

53Yawuthula, yawusongela kwilinen entle; yawubeka engcwabeni elixholwe etyeni, ekungazanga kulale bani kulo.

54Loo mhla wawungowokulungiselela, nesabatha ibisondele.

55Ke kaloku nabafazi abalandeláyo, abeza naye bephuma kwelaseGalili, balikhangela ingcwaba, nokubekwa komzimba wakhe.

56Babuya ke, balungisa ubulawu namafutha aqholiweyo. Bathi ngesabatha baphumla ngokomthetho.

ULuka 24

© 1975 Bible Society of South Africa.

Uvuko lukaYesu

(UMat. 28:1-16)

1Ke kaloku, ngolokuqala usuku lweveki, ngesifingo sokusa, beza engcwabeni,
bephethe ubulawu ababebulungisile, kukho nabanye abafazinabo.

2Balifumana ke ilitye liqengqiwe, lesuka engcwabeni.

3Bakuba bengenile, àbawufumananga umzimba weNkosi uYesu.

4Kwathi, ekukhohlweni kwabo yile nto, kwabonakala amadoda amabini, ebafikela,
eneengubo ezibengezelayo.

5Ke kaloku, bakubon' ukuba bangenelwe kukoyika, beqondele emhlabeni, athi kubo,
Yini na ukuba ophilileyo nimfune phakathi kwabafileyo?

6Akakho apha, uvukile; khumbulani ukuthetha kwakhe kuni, oko ebesekwelaseGalili,
esithi,

7UNyana woMntu umelwe kukuthi anikelwe ezandleni zabantu abangaboni,
abethelelwe emnqamlezweni, athi ngomhla wesithathu abuye avuke.

8Bawakhumbula ke amazwi akhe;

9bebuyile engcwabeni, bazibika zonke ezo zinto kwabalishumi elinamnye, nakubo
bonke abanye.

10Baye ke bengooMariya waseMagadala, noYohana, noMariya kaYakobi, nabanye
ababenabo, abazixeláyo ezo zinto kubapostile.

11Amazwi abo abonakala emehlweni abo engáthi kukulavuza; àbakholwa ngabo.

12Esukile ke uPetros, wagidima waya engcwabeni; athi eqondele, azibone iilinen
abesongelwe kuzo, zilele zodwa; wagoduka, emangalisiwe koko kuhlileyo.

UYesu uyazibonakalalisa endleleni yokuya e-Emawusi

13Kwabonakala kusiya babini bakubo, kwangaloo mini, kumzana ozitadiya zimashumi
mathandathu, umgama wawo neYerusalem, ogama liyiEmawusi.

14Baye bona bexoxa bodwa ngazo zonke izinto ezibe zihlile.

15Kwathi, ekuxoxeni kwabo, nasekubuzaneni kwabo, uYesu ngokwakhe wasondela
wahamba nabo.

16Kuloko amehlo abo ayebanjiwe, ukuba bangamazi.

17Wathi ke kubo, Ziindawo zini na ezi nincokola ngazo, nihamba nibe nithe
matshamatsha?

18Uphendule ke omnye, lo ugama linguKleyopa, wathi kuye, Umhambi eYerusalem
apha nguwe wedwa na, ukuba ungàzazi nje izinto ezihle khona ngazo ezi mini?

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Wathi kubo, Zìphi na? Bathi ke bona kuye, EzingoYesu waseNazarete, obeyindoda engumprofeti, enobunkunkqele ekwenzeni nasekuthetheni, phambi koThixo nabo bonke abantu;

20ukuba báthini na ababingeleli abakhulu nabaphathi bethu ukumnikela ukuba agwetywe afe, bambethelela nasemnqamlezweni.

21Ke kaloku, thina besithembe ukuba nguye oza kukhulula uSirayeli ngentlawulelo; kunjalonje ke, namhla lusuku lwesithathu zenzekile ezo zinto.

22Kananjalo abafazi abathile bethu, ababesengcwabeni kwakusasa, babéthe sathi nqa.

23Bathe bengawufumani umzimba wakhe, beza besithi, babone nombono wezithunywa zezulu, ezithi zona, uhleli.

24Basuka nabathile ababenathi, baya engcwabeni, bafika kunjengoko babetshilo abafazi; ke yena abambonanga.

25Waza yena wathi kubo, Oyi! baswelikuqonda, bantliziyo zizeka kade ukukholwa kuko konke abakuthetháyo abaprofeti!

26UKristu ubengamelwe na kukuthi abuve obu bunzima, aze angene eluzukweni lwakhe?

27Uqalele ke kuMoses nakubo bonke abaprofeti, wabachazela kuzo zonke izibhalo iindawo ezingaye.

28Basondela kuloo mzana babesiya kuwo; wanga yena uyegqitha.

29Besuka bamzama, besithi, Hlala nathi; ngokuba kuza kuhlwa, nemini iseyisangene. Wangena ukuba ahlale nabo.

30Kwathi, ekungqengqeni kwakhe ngasesithebeni ndawonye nabo, wasithabatha isonka, wasikelela, waqhekeza, wabanika.

31Avulwa ke amehlo abo, bamazi; wathi shwaka yena kubo.

32Batshono ukuthi, Intliziyo yethu ibingavuthi na ngaphakathi kwethu, xa ebethetha nathi endleleni, naxa ebesityhilela izibhalo?

33Besuka kwangelo lixa, babuyela eYerusalem, babafumana abalishumi elinamnye, bequkene ndawonye nabo babenabo, besithi,

34INkosi inene ivukile, yabonakala kuSimon.

35Baye nabo bezichankcisa izinto zendlela, nokwazeka kwayo kubo ekuqhekezeni isonka.

Ukuzibonakalalisa kukaYesu kubafundi bakhe

(UYoh. 20:19-31)

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Ke kaloku, bakubon' ukuba bayazithetha ezo zinto, uYesu ngokwakhe wema phakathi kwabo, wathi kubo, Uxolo malube nani.

37Besuka ke bankwantya, bangenelwa kukoyika, beba babone umshologu.

38Wathi kubo, Yini na ukuba nikhathazeke? Kungani na ke ukuba kunyuke izicamango ezintliziyweni zenu?

39Khangelani izandla zam neenyawo zam, ngokuba ndim kanye; ndicofeni, nikhangele; ngokuba umshologu awunanyama namathambo, njengokuba nindibona ndinawo mna.

40Utshilo, wababonisa izandla neenyawo zakhe.

41Ke kaloku, bakubon' ukuba abakakholwa, ngenxa yovuyo, bemangalisiwe, wathi kubo, Ninanto na idliwayo apha?

42Bamnika ke intwana yentlanzi eyosiweyo, neyenqatha lobusi;

43wathabatha, wadla emehlweni abo.

44Uthe ke kubo, Ngawo la amazwi endawathethayo kuni ndisenani, okokuba zimelwe kukuzaliseka zonke izinto ezibhaliweyo ngam emthethweni kaMoses, nasebaprofetini, nasezindumisweni.

45Wandula wayivula ingqiqo yabo, ukuze baziqonde izibhalo;

46wathi kubo, Kubhaliwe ngokunjalo, umelwe ngokunjalo uKristu kukuthi eve ubunzima, abuye avuke kwabafileyo ngomhla wesithathu;

47nokuba kuvakaliswe egameni lakhe inguquko noxolelo lwezono kuzo zonke iintlanga, kuqalelwa eYerusalem.

48Nina ke ningamangqina ezi zinto.

49Yabonani, mna ndilithumela kuni idinga likaBawo; ke nina hlalani kuwo umzi oyiYerusalem, nide nambathiswe amandla aphuma enyangweni.

Unyuko lukaYesu

(IZenzo 1:9-11)

50Ke kaloku wabarholela ngaphandle, kwada kwaya eBhetani; waziphakamisa izandla zakhe, wabasikelela.

51Kwathi, ekubasikeleleni kwakhe, wahluka kubo, wenyuswa wasiwa emazulwini.

52Baza bona, bakuba bequbudile kuye, babuyela eYerusalem benovuyo olukhulu.

53Bamana behleli etempileni, bedumisa, bebonga uThixo. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UYohane

UYohane 1

ULizwi waba yinyama

1Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.

2Yena lowo ebekho ekuqalekeni kuThixo.

3Izinto zonke zabakho ngaye; engekho yena, akubangakho nanye into ethe yabakho.

4Kuye kwakukho ubomi, baye ubomi obo bulukhanyiselo lwabantu.

5Ukhanyiso ke olo lwabonakala ebumnyameni, basuka ubumnyama àbaluqiqa.

6Kwakho mntu uthunyiweyo evela kuThixo, ugama linguYohane.

7Lowo weza kuba lingqina, ukuze angqine ngalo ukhanyiso, ukuze bonke bakholwe ngaye.

8Yena lowo ubengelulo ukhanyiso; weza kungqina ngalo ukhanyiso.

9Waye ke yena elukhanyiso oluyinyaniso, olubakhanyiselayo abantu bonke, esiza ehlabathini.

10Ube esehlabathini ke; ihlabathi labakho ngaye, ihlabathi alimazanga.

11Weza kokwakhe, baza abakhe àbamvuma.

12Ke bonke abamamkeláyo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe;

13abangàzalwanga ngagazi, nangakuthanda kwanyama, nangakuthanda kwandoda; bazalwa nguThixo.

14ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu, sabubona ubuqaqawuli bakhe, ubuqaqawuli kanye bowokuphela kwamzeleyo uYise, ezele lubabalo nayinyaniso.

Ubungqina bukaYohane umbhaptizi

(UMat. 3:1-12)

15Uthi uYohane angqine ngaye, adanduluke esithi, Ubenguye lo bendithetha yena, ndisithi, Lowo uzayo emva kwam, usuke waba phambi kwam, ngokuba waye etanci kum.

16Enzalisekweni yakhe thina sonke samkela kwaubabalo phezu kobabalo.

17Ngokuba umthetho wawiswa ngoMoses, lwabakho lona ubabalo nenyaniso ngoYesu Kristu.

18Akukho namnye wakha wambona uThixo; uNyana okuphela kwamzeleyo, lowo usesifubeni sikaYise, nguye ocacise oko.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Nabu ke ubungqina bukaYohane, oko amaYuda athuma ababingeleli nabaLevi, bephuma eYerusalem, ukuze bambuze besithi, Wena ungubani na?

20Wavuma akakhanyela, wavuma esithi, Andinguye mna uKristu.

21Bambuza, besithi, Untoni na ke? UnguEliya na? Athi, Andinguye. Unguye na umprofeti lowo? Wathi ukuphendula, Hayi.

22Bathi ngoko kuye, Ungubani na ke? ukuze sibaphendule abo basithumileyo. Ùthini na wena ngawe ngokwakho?

23Wathi, Mna ndililizwi lodandulukayo entlango, lisithi, Yityenenezeni indlela yeNkosi, njengoko watshoyo uIsaya umprofeti.

24Baye abo babethunyiwe bengabakubo abaFarisi.

25Bambuza bathi kuye, Ubhaptizelani na phofu, ukuba wena akunguye uKristu, noEliya, nomprofeti lowo?

26Wabaphendula uYohane, esithi, Mna ndibhaptiza ngamanzi; ke phakathi kwenu kumi eningamaziyo nina.

27Yena ngothe, esiza emva kwam nje, wesuka waba phambi kwam, endingafanelekileyo mna ukuba ndinyobulule umtya wembadada yakhe.

28Ezi zinto zenzeka eBhetabhara, phesheya kweYordan, apho uYohane wayebhaptiza khona.

29Ngengomso uYohane umbona uYesu esiza kuye, athi, Nantso iMvana kaThixo, ethwala isuse isono sehlabathi.

30Nguye lo ndathi ngaye mna, Emva kwam kuza indoda, esuke yaba phambi kwam; ngokuba yayitanci kum.

31Bendingayazi nam; le nto ndeza mna, ndibhaptiza ngamanzi, kukuze ibonakalaliswe kuSirayeli.

32Wangqina uYohane, esithi, Ndimbonile uMoya, esihla njengehobe, ephuma ezulwini, wahlala phezu kwakhe.

33Bendingamazi nam; owandithumayo ukubhaptiza ngamanzi, nguye owathi kum, Othe wambona uMoya esihla ahlale phezu kwakhe, nguye lowo ubhaptiza ngoMoya oyiNgcwele.

34Nam ndibonile, ndingqinile, ukuba lo nguye uNyana kaThixo.

Abafundi bokuqala bakaYesu

35Ngengomso ubuye wema uYohane nababini kubafundi bakhe;

36ondelé kuYesu ehamba, uthi, Nantso iMvana kaThixo.

37Bamva ethetha abafundi ababini, bamlandela uYesu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

38Ke kaloku ujikile uYesu, ababone belandela, athi kubo, Nifuna ntoni na? Bathi ke bona kuye, Rabhi (oko kukuthi ngentetho evakalayo, mfundisi), uhlala phi na?

39Athi kubo, Yizani nibone. Beza, babona ke apho ahlala khona; bahlala naye loo mini; laye ke ilixa lingathi leleshumi.

40YayinguAndreya, umzalwana kaSimon Petros, omnye wabo babini, babeve kuYohane, bamlandela.

41Yena ufumana kuqala owakhe umzalwana, uSimon, athi kuye, SImfumene uMesiya (oko kukuthi ngentetho evakalayo, uKristu).

42Wamsa kuYesu; uthe ke uYesu wondela kuye, wathi, Wena unguSimon, unyana kaYona; kuya kuthiwa unguKefas (oko kukuthi ngentetho evakalayo, ùnguPetros).

43Ngengomso uYesu wafuna ukuphuma aye kwelaseGalili; ufumana uFilipu, athi kuye, Ndilandele.

44Ke kaloku uFilipu ebengowaseBhetesayida, womzi wakuloAndreya noPetros.

45UFilipu ufumana uNataniyeli, athi kuye, Lowo uMoses wabhala ngaye emthethweni, kwanabaprofeti, simfumene, uYesu unyana kaYosefu, lowo waseNazarete.

46Wathi uNataniyeli kuye, Inako na into elungileyo ukuphuma eNazarete? Athi uFilipu kuye, Yiza ubone.

47UYesu wambona uNataniyeli esiza kuye, athi ngaye, Nanko umSirayeli inyaniso, ekungekho nkohliso kuye.

48Athi uNataniyeli kuye, Undazi ngani na? Waphendula uYesu wathi kuye, Phambi kokuba uFilipu akubize, uphantsi komkhiwane, ndandikubona.

49Aphendule uNataniyeli athi kuye, Rabhi, wena unguye uNyana kaThixo, wena unguye uKumkani kaSirayeli.

50Waphendula uYesu wathi kuye, Ngokuba ndithe kuwe, Ndandikubona uphantsi komkhiwane, uyakholwa na? Uya kubona izinto ezingaphezulu kwezo.

51Athi kuye, Inene, inene, ndithi kuni, Emveni koku niya kulibona izulu livulekile, nezithunywa zikaThixo zinyuka zisihla phezu koNyana woMntu.

UYohane 2

UYesu uguqula amanzi abe yiwayini eKana

1Kuthe ngomhla wesithathu, kwabakho umsitho eKana yelaseGalili; waye unina kaYesu ekhona.

2Wamenyelwa ke noYesu kwanabafundi bakhe emsithweni lowo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kuthe ke, bakuphelelwa yiwayini, wathi unina kaYesu kuye, Abanawayini.

4Uthi uYesu kuye, Yintoni na enam nawe, mfazi? Alikafiki ilixa lam.

5Athi unina kubalungiseleli, Asukuba ekuthetha kuni, kwenzeni.

6Kwakumi khona ke imiphanda yamatye imithandathu, ngokwentlambululo yamaYuda, engena ngaminye iibhate ezimbini nantathu.

7Athi kubo uYesu, Yizaliseni imiphanda ngamanzi. Bayizalisa ke, yada yee cike.

8Athi kubo, Yikhani ngoku, nise kwinjoli. Besa ke.

9Ke kaloku, yakuweva injoli amanzi abenziwe iwayini (yayingayazi apho ivela khona; kodwa abalungiseleli ababewakhile amanzi babesazi), yasuka injoli yabiza umyeni.

10Yathi kuye, Wonke umntu ubeka kuqala iwayini emnandi, aze xa bathe basela bakholisa, andule ukubeka enganeno kwaleyo; wena uyibandezile iwayini emnandi, kwada kwangoku.

11Oku kuqaleka kwemiqondiso wakwenza uYesu eKana yelaseGalili, walubonakalalisa uzuko lwakhe; bakholwa kuye abafundi bakhe.

12Emveni koko wehla waya eKapernahum, yena nonina, nabazalwana bakhe, nabafundi bakhe; bahlala khona iintsuku ezingeninzi.

Ukuhlanjululwa kwetempile

(UMat. 21:12-17)

13Yayikufuphi ke ipasika yamaYuda; wenyuka uYesu waya eYerusalem.

14Wabafumana etempileni ababethengisa ngeenkomo nezimvu namahobe, nabananisa ngemali behleli.

15Wenza iziniya ngemizí, wabakhupha bonke etempileni, kwanezimvu neenkomo; wayiphalaza imali yabananisi, wazibhukuqa neetafile;

16wathi nakwabo bathengisa ngamahobe, Ezi zinto zisuseni apha; musani ukuyenza indlu kaBawo indlu yokuthengisela.

17Bakhumbula ke abafundi bakhe, ukuba kubhaliwe kwathiwa, Ukuzondelela indlu yakho kundidlile kanye.

18Aphendula ke ngoko amaYuda, athi kuye, Usibonisa mqondiso mni na, uzenza nje ezi zinto?

19Waphendula uYesu wathi kubo, Yichitheni le tempile, mna ke ndiya kuyivusa ngeentsuku ezintathu.

20Athi ke ngoko amaYuda, Yayiminyaka imashumi mané anesithandathu nje isakhiwa le tempile, ke wena woyivusa ngeentsuku ezintathu na?

21Yena ke wayethetha ngetempile yomzimba wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Ke ngoko, xenikweni wavukayo kwabafileyo, bakhumbula abafundi bakhe, ukuba
ebekuthethile oku kubo, bakholwa sisibhalo nalilizwi awalithethayo uYesu.

23Ke kaloku, akubon' ukuba useYerusalem epasikeni, emthendelekweni, into eninzi
yakholwa kulo igama lakhe, ibona imiqondiso yakhe abeyenza.

24Ke yena uYesu akaziyekelanga kubo, ngenxa yokuba ebazi bonke;

25nangokuba bekungafuneki kuye, ukuba kungqine bani ngaye umntu, kuba
ubekwazi yena okungaphakathi komntu.

UYohane 3

UNikodemo ufundiswa nguYesu

1Kwaye kukho ke umntu wakubaFarisi, ogama linguNikodemo, umphathi wamaYuda.

2Lowo weza kuYesu ebusuku, wathi kuye, Rabhi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela
kuThixo; kuba akukho namnye unako ukuyenza le miqondiso uyenzayo wena, ukuba
uThixo akanaye.

3Waphendula uYesu wathi kuye, Inene, inene, ndithi kuwe, Ukuba akathanga umntu
azalwe ngokutsha, akanakububona ubukumkani bukaThixo.

4Uthi uNikodemo kuye, Angáthini na umntu ukuzalwa emdala? Angaba nako yini na
ukungena okwesibini esizalweni sonina azalwe?

5Waphendula uYesu wathi, Inene, inene, ndithi kuwe, Ukuba umntu akathanga
azalwe ngamanzi nanguMoya, akanakungena ebukumkanini bukaThixo.

6Okuzelwe yinyama kuyinyama, nokuzelwe nguMoya kungumoya.

7Musa ukumangaliswa kukuba ndithe kuwe, Nimelwe kukuthi nizalwe ngokutsha.

8Umoya uphepheza apho uthanda khona, ùze usive isandi sawo, kodwa ungawazi
apho úvela khona, nalapho úsinga khona: bakwanjalo bonke abazelwe nguMoya.

9Waphendula uNikodemo wathi kuye, Zingáthini na ezi zinto ukuba nokubakho?

10Waphendula uYesu wathi kuye, Wena, úngumfundisi nje wakwaSirayeli, akuzazi na
ezi zinto?

11Inene, inene, ndithi kuwe, Sithetha esikwaziyo, singqine esikubonileyo; nisuke
ningabamkeli ubungqina bethu.

12Ukuba ndinixelele izinto ezisemhlabeni, naza ànakholwa, nòthini na ukukholwa,
ukuba ndithe ndanixelela izinto ezisemazulwini?

13Akukho namnye unyukileyo waya emazulwini, ngulowo yedwa wehla ephuma
emazulwini, uNyana woMntu, lowo usemazulwini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Njengokuba ke uMoses wayiphakamisayo inyoka entlango (iNum. 21:9), umelwe
kukuphakanyiswa ngokunjalo uNyana woMntu;

15ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi
obungunaphakade.

16Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe
okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe
nobomi obungunaphakade.

17Kuba uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini, ukuze aligwebe ihlabathi;
wamthuma ukuze ihlabathi lisindiswe ngaye.

18Lowo ukholwayo kuye, akagwetywa; ke lowo ungakholwayo, uselegwetyiwe,
ngokuba engakholwanga kwigana loNyana okuphela kwamzeleyo uThixo.

19Ke kaloku, umgwebo nguwo lo, ukuba ukhanyiso lufikile ehlabathini, baza abantu
bathanda ubumnyama ngaphezu kokhanyiso; kuba imisebenzi yabo ingendawo.

20Kuba bonke abenza okubi, bayaluthiya ukhanyiso, bangezi elukhanyisweni, ukuze
imisebenzi yabo ingòhlwaywa.

21Ke lowo uyenzayo inyaniso uyeza elukhanyisweni, ukuze imisebenzi yakhe
ibonakalaliswe; ngokuba isetyenzelwe kuThixo.

Obunye ubungqina bukaYohane umbhaptizi

22Emveni kwezi zinto, weza uYesu nabafundi bakhe emhlabeni wakwaYuda; wakha
walibala khona apho nabo; wabhaptiza.

23Waye ke noYohane ebhaptiza e-Enon, kufuphi neSalem, ngokuba amanzi
abemaninzi khona apho; babesiza ke babhaptizwe.

24Kuba ebengekaphoswa entolongweni uYohane.

25Kwabakho ke imbuzwano kubafundi bakaYohane namaYuda ngokuhlanjululwa.

26Beza kuYohane, bathi kuye, Rabhi, lowa wayenawe phesheya kweYordan,
umngqinela, yabona, yena uyabhaptiza; beza kuye ke bonke.

27Waphendula uYohane wathi, Akanakwamkela nto umntu, engayinikwanga ivela
emazulwini.

28Nani ngokwenu niyandingqinela ukuba ndathi, Andinguye uKristu mna; ndathi,
Ndithunyiwe phambi kwakhe.

29Lowo unomtshakazi ngumyeni; isihlobo ke somyeni, esimiyo simve, sivuya kunene
ngenxa yezwi lomyeni; ngoko olu luvuyo lwam luzalisekile.

30Yena umelwe kukuthi ande, ndinciphe ke mna.

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Lowo uvela phezulu ungaphezu kwabo bonke; lowo uphuma emhlabeni
ungowasemhlabeni, ethetha okwasemhlabeni. Lowo ungowasemazulwini ungaphezu
kwabo bonke;

32akubonileyo ke wakuva, úyakungqina oko; akukho bani ubamkelayo ubungqina
bakhe.

33Lowo ubamkeleyo ubungqina bakhe, utywine waqinisela ukuthi, uThixo uyinyaniso;

34kuba lowo ùthunywe nguThixo, uthetha amazwi kaThixo; kuba uThixo akamniki
uMoya ngomlinganiselo.

35UYise uyamthanda uNyana; uzinikele zonke izinto esandleni sakhe.

36Lowo ukholwayo kuNyana, unobomi obungunaphakade; ke lowo ungamviyo
uNyana, akayi kubona bomi; ingqumbo kaThixo ihleli phezu kwakhe.

UYohane 4

UmSamariyakazi

1Ithe ngoko iNkosi, yakwazi ukuba abaFarisi bavile ukuba uYesu ugqithisile kuYohane
ngokwenza nokubhaptiza abafundi

2(nakubeni ke uYesu ngokwakhe ebengabhaptizi, bekubhaptiza abafundi bakhe),

3yalishiya yona elakwaYuda, yabuya yaya kwelaseGalili.

4Ibimelwe ke kukuthi icande kwelamaSamariya.

5Ifike ke emzini welamaSamariya ekuthiwa yiSikare, kufuphi nomhlaba awathi
uYakobi wawunika uYosefu unyana wakhe.

6Ke kaloku umthombo kaYakobi ubukhona. Uthe ke ngoko uYesu, ebulalekile
kukuhamba, wahlala enjalo phezu komthombo; ilixa ngathi belilelesithandathu.

7Kufika intokazi yelamaSamariya, isiza kukha amanzi, athi uYesu kuyo, Ndiphe
ndisele.

8(Kuba abafundi bakhe bebemke baya kuthenga ukudla emzini apho.)

9Ithi ngoko intokazi engumSamariyakazi kuye, Ùthini na wena, ungumYuda nje,
ukucela kum into eselwayo, ndingumSamariyakazi nje? Kuba akanabudlelane
amaYuda namaSamariya.

10Waphendula uYesu wathi kuyo, Ukuba ubusazi isipho sikaThixo, nokuba ngubani na
lo uthi kuwe, Ndiphe ndisele: unge ucele kuye wena, wakùpha amanzi aphilileyo.

11Ithi intokazi kuye, Nkosi, akunanto yakukha, nequla linzulu; uwazuza phi na ke
amanzi aphilileyo lawo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Wena umkhulu yini na kunobawo wethu uYakobi, owasinikayo iqula eli, wayesela kulo yena, nabantwana bakhe, nemfuyo yakhe?

13Waphendula uYesu wathi kuyo, Bonke abasela kula manzi, baya kubuya banxanwe;

14ke yena othe wasela kuwo amanzi, endiya kumpha wona mna, akasayi kuza anxanwe naphakade; aya kusuka amanzi, endiya kumpha wona, abe ngumthombo kuye wamanzi ampompozela ebomini obungunaphakade.

15Ithi intokazi kuye, Nkosi, ndiphe loo manzi, ukuze ndinganxanwa, ndingezi nokuza kukha apha.

16Athi uYesu kuyo, Hamba uye kubiza indoda yakho, uze apha.

17Yaphendula intokazi yathi, Andinandoda. Athi uYesu kuyo, Ùlungisile ukuthi, Andinandoda;

18kuba ubunamadoda amahlanu; onayo ngoku asindoda yakho, ùnyanisile ukutsho.

19Ithi intokazi kuye, Nkosi, ndiyabona ukuba ungumprofeti wena.

20Oobawo bethu babenqula kule ntaba; nina ke nithi iseYerusalem indawo apho abantu bamelwe kukunqula khona.

21Athi uYesu kuyo, Ntokazindini, kholwa ndim, ukuba kuza ilixa, eningasayi kuthi nakule ntaba, naseYerusalem, nimnqule uBawo.

22Nina ninqula eningakwaziyo; thina sinqula esikwaziyo; ngokuba usindiso luphuma kumaYuda.

23Kodwa kuza ilixa, nangoku selikho, xa abanquli abayinyaniso baya kumnqula uBawo ngoMoya nangenyaniso; kuba uBawo ufuna abanjalo ukumnqula.

24UThixo unguMoya; abo ke bamnqulayo bamelwe kukumnqula ngoMoya nangenyaniso.

25Ithi intokazi kuye, Ndiyazi ukuba uMesiya uyeza, ekuthiwa nguKristu; xa athe weza yena, uya kusityela izinto zonke.

26Athi uYesu kuyo, Mna ndithethayo nawe ndinguye.

27Kwathi kwangoko bafika abafundi bakhe, bamangaliswa kukuba athethe nomntu oyinkazana; noko ke akubangakho namnye owathi. Ùfuna ntoni na? nowathi, Yini na ukuba uthethe nayo?

28Yawushiya ngoko umphanda wayo intokazi, yemka yaya ekhaya; ithi ebantwini,

29Yizani, nibone umntu ondixelele izinto zonke endakha ndazenza; lo akangebi nguye uKristu yini na?

30Baphuma ke ekhaya, baye besiza kuye.

Isivuno nabasebenzi

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

31Ke kaloku, kweso sithuba abafundi babemthandaza, besithi, Rabhi, yidla.

32Uthe ke yena kubo, Mna ndinokudla endikudlayo, eningakwaziyo nina.

33Babethetha bodwa ngoko abafundi, besithi, Ingaba kukho omziseleyo na ukudla?

34Athi uYesu kubo, Okwam ukudla kukuba ndenze ukuthanda kowandithumayo, ndiwufeze umsebenzi wakhe.

35Anitsho na nina ukuthi, Iinyanga zisené, kuze kufike ukuvuna? Yabonani, ndithi kuni, Waphakamiseni amehlo enu, niwakhangele amasimi; ngokuba aselemhlophe ukuba kuvunwe.

36Novunayo wamkela umvuzo, abuthele iziqhamo ebomini obungunaphakade, ukuze nalowo uhlwayelayo avuye, kunye nalowo uvunayo.

37Kuba likulé nto ilizwi eliyinyaniso, eli lithi, Omnye uyahlwayela, nomnye avune.

38Mna ndanithuma ukuvuna oko ningabulalekanga kuko nina; abanye babulalekile, naza nangena nina ekubulalekeni kwabo.

39Ke kaloku, kwakholwa kuye into eninzi yamaSamariya kuloo mzi, ngenxa yelizwi lentokazi leyo, yangqinayo yathi, Úndityele izinto zonke endakha ndazenza.

40Akufika ngoko kuye amaSamariya, amcela ukuba ahlale nawo; wahlala khona ke imihla emibini.

41Into eninzi yakholwa ngakumbi ngenxa yelizwi lakhe.

42Kanjalo babesithi kwintokazi leyo, Asisakholwa ngenxa yokuthetha kwakho, kuba sizivele thina ngokwethu, sazi ukuba, inyaniso, lo unguye uMsindisi wehlabathi, uKristu.

Ukuphiliswa konyana wegosa lakomkhulu

43Ke kaloku, emveni kwemihla emibini leyo, waphuma khona, wemka waya kwelaseGalili.

44Kuba uYesu ngokwakhe wangqina, ukuba umprofeti akanambeko kowabo.

45Xenikweni ngoko wafikayo kwelaseGalili, bamamkela abaseGalili ababezibonile zonke izinto awazenzáyo eYerusalem emthendelekweni; kuba babeyile nabo emthendelekweni.

46Wabuya ngoko weza uYesu eKana yelaseGalili, apho amanzi ebewenze iwayini. Kwaye kukho igosa lakomkhulu elithile, elinyana wayesifa eKapernahum.

47Lithe lakuva lona ukuba uYesu uphumile kwaYuda, wafika kwelaseGalili, laya kuye, lamcela ukuba ehle amphilise unyana walo, kuba ebeza kubhubha.

48Wathi ngoko uYesu kulo, Ukuba anithanga nibone imiqondiso nemimangaliso, anisayi kukha nikholwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

49Lithi kuye igosa lakomkhulu, Nkosi, yihla, engekabhubhi umntwana wam.

50Athi uYesu kulo, Hamba uhambe; unyana wakho uhleli. Wakholwa umntu lowo lilizwi awalithethayo uYesu kuye, wahamba ke.

51Ke kaloku, akubon' ukuba uselesihla, izicaka zakhe zamhlangabeza, zambikela zisithi, Umntwana wakho uhleli.

52Wabuza ngoko kuzo ilixa aqale ukuchacha ngalo; zathi kuye, Izolo, ngelixa lesixhenxe, yamyeka icesina.

53Wazi ngoko uyise, ukuba bekukwangelo lixa abethe ngalo uYesu kuye, Unyana wakho uhleli; wakholwa, yena nendlu yakhe iphela.

54Lo mqondiso ke wesibini wawenza uYesu, eselephumile kwelakwaYuda, weza kwelaseGalili.

UYohane 5

Ukuphiliswa komlwelwe eBhetesda

1Emveni kwezi zinto, kwaye kukho umthendeleko wamaYuda, wenyuka uYesu waya eYerusalem.

2Ke kaloku kukho eYerusalem apho, ngakwelezimvu isango, ichibi, ekuthiwa ukubizwa yiBhetesda ngesiHebhere, lineevaranda ezintlanu.

3Kwakulele kuzo inkitha eninzi yemilwelwe: iimfama, iziqhwala, abome umzimba, belinde ukuzanyazanyiswa kwamanzi.

4Kuba isithunywa sezulu ngaxesha lithile besisihla, singene echibini, siwagxobhagxobhe amanzi; lowo ngoko ubethe angene tanci emva kokugxojwagxojwa kwamanzi, ubephila nakusiphi na isifo abebanjwe siso.

5Ke kaloku, bekukho mntu uthile apho, ubeminyaka imashumi mathathu anesibhozo engumlwelwe.

6UYesu embona lowo elele, esazi ukuba uselenexesha elikhulu enjalo, uthi kuye, Ùyafuna na ukuba uphile?

7Waphendula umlwelwe wathi, Nkosi, andinamntu wokuthi, xa athe agxojwagxojwa amanzi, andiphose echibini. Kuthi ke, ndakubon' ukuba mna ndiyaya, ndiphangelwe ngomnye ukuhla.

8Athi uYesu kuye, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uhambe.

9Usuke kwaoko waphila umntu, waluthabatha ukhuko lwakhe, wahamba. Ke kaloku kwakuyisabatha loo mini.

10Ayesithi ke amaYuda kophilisiweyo, Yisabatha; akuvumelekile ukuba uthwale ukhuko lwakho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Wawaphendula wathi, Owandiphilisayo, nguye owathi kum, Thabatha ukhuko
lwakho, uhambe.

12Ambuza ngoko athi, Ngubani na yena loo mntu uthe kuwe, Thabatha ukhuko
lwakho, uhambe?

13Ke kaloku, owaphiliswayo ebengazi ukuba ngubani na; kuba uYesu wathi shwaka,
kwakubon' ukuba kukho izihlwele kuloo ndawo.

14Emveni kwezi zinto, uYesu umfumana etempileni, athi kuye, Ùyabona, uphilile;
musa ukuba sona, ukuze ungahlelwa yinto embi kunaleyo.

15Wemka umntu lowo, waxela kumaYuda, ukuba nguYesu omenze waphila.

UYesu unguNyana kaThixo, emnye noYise

16Ngenxa yoko ayemtshutshisa uYesu amaYuda, afuna ukumbulala; ngokuba
wayesenza ezo zinto ngesabatha.

17Wawaphendula ke uYesu wathi, UBawo uyasebenza kude kube ngoku, nam
ndiyasebenza.

18Ngenxa yoko ke ayefuna ngakumbi amaYuda ukumbulala; ngokuba ubengaphule
sabatha yodwa, wayetshilo nokuthi, uThixo ngowakhe uYise, ezenza alingane
noThixo.

19Waphendula ngoko uYesu, wathi kuwo, Inene, inene, ndithi kuni, UNyana
akanakwenza nto ngokwakhe, engathanga abone uYise eyenza; kuba izinto asukuba
ezenza yena, ezo uyazenza uNyana kwangokunjalo;

20kuba uYise uyamthanda uNyana, ambonise izinto zonke azenzayo yena; uya
kumbonisa nemisebenzi emikhulu kunale, ukuze nina nimangaliswe.

21Kuba, njengoko uYise abavusayo abafileyo, abadlise ubomi, kwangokunjalo
noNyana ubadlisa ubomi abo athandayo.

22Kuba kananjalo uYise akagwebi namnye; uthe umgwebo wonke wawunikela
kuNyana;

23ukuze bonke bambeke uNyana, kwanjengoko bambekayo uYise. Lowo
ungambekiyo uNyana, akambeki uYise owamthumayo.

24Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ulivayo ilizwi lam, akholwe ngulowo
wandithumayo, unobomi obungunaphakade; akezi ekugwetyweni; uphume ekufeni,
wangena ebomini.

25Inene, inene, ndithi kuni, Kuza ilixa, nangoku liselikho, xa abafileyo baya kuliva izwi
loNyana kaThixo, bathi abalivileyo badle ubomi.

26Kuba njengokuba uYise enabo ubomi kuye ngokwakhe, ngokunjalo wamnika
noNyana ukuba abe nobomi kuye ngokwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Wamnika negunya lokugweba; ngokuba enguNyana woMntu.

28Musani ukumangaliswa kuko oko; ngokuba kuza ilixa abaya kuthi ngalo bonke abasemangcwabeni balive ilizwi lakhe;

29baphume ke: abo benza izinto ezilungileyo beze eluvukweni lobomi; nabo ke benza izinto ezimbi, beze eluvukweni lokugwetywa.

30Mna ngokwam andinakwenza nto; njengoko ndivayo, ndìgweba ngako, nomgwebo wam ububulungisa; ngokuba andifuni kuthanda kwam, ndifuna ukuthanda kukaBawo owandithumayo.

31Ukuba mna ndisuka ndizingqinele, ubungqina bam abungebi yiyo inene.

32Kukho omnye ongqinayo ngam; ndiyazi ke, ukuba buyinene ubungqina abungqinayo ngam.

33Nina nithumele kuYohane; uyingqinele ke inyaniso.

34Mna ke andamkeli bungqina mntwini; ndizithetha ezi zinto, ukuze nina nisindiswe.

35Yena lowo ebesiso isibane esivuthayo, esikhanyayo; ke nina nathanda ukugcoba umzuzwana elukhanyweni lwakhe.

36Mna ke ndinabo ubungqina obungaphezu kobukaYohane; kuba imisebenzi awandinikayo uBawo ukuba ndiyifeze, yona le misebenzi ndiyenzayo mna, iyangqina ngam, ukuba uBawo undithumile.

37NoBawo owandithumayo, yena ungqinile ngam. Anizanga nilive izwi lakhe nakanye, niyibone nembonakalo yakhe.

38Nezwi lakhe aninalo lihleli kuni; ngokuba lowo uthunywe nguye, ningàkholwa nguye nina.

39Ziphengululeni izibhalo, ngokuba nina niba ninobomi obungunaphakade kuzo; zaye zona zingqina ngam.

40Nibe ke nina ningathandi ukuza kum, ukuze nibe nobomi.

41Andamkeli luzuko bantwini.

42Ndiyanazi nina, ukuba uthando lukaThixo aninalo ngaphakathi kwenu.

43Mna ndizé egameni likaBawo, anindamkeli; ukuba omnye uthe weza ngelilelakhe igama, nomamkela yena.

44Ningathini na ukuba nako ukukholwa, nisamkelela uzuko omnye komnye nje nina, nibe uzuko lona oluvela kuThixo yedwa ningalufuni?

45Ningàbi ndiya kunimangalela kuBawo mna; ukho onimangalelayo, uMoses, lowo nimthembileyo nina.

© 1975 Bible Society of South Africa.

46Kuba, ukuba benikholiwe nguMoses, ninge nikholiwe ndim; kuba yena wabhala ngam.

47Ke ukuba anikholwa zizibhalo zakhe yena, ningáthini na ukukholwa ngawam amazwi?

UYohane 6

Ukutyiswa kwesihlwele

(UMat. 14:15-21)

1Emveni kwezi zinto, wemka uYesu, waya phesheya kolwandle lwaseGalili, lwaseTibheriya.

2Wayelandelwa ke sisihlwele esikhulu, ngokuba babebona imiqondiso yakhe, abeyenza kwababesifa.

3Ke kaloku, wenyuka uYesu waya entabeni, wahlala phantsi khona nabafundi bakhe.

4Yaye ke ikufuphi ipasika, umthendeleko wamaYuda.

5Ewaphakamisile ngoko uYesu amehlo akhe, ebone isihlwele esikhulu sisiza kuye, wathi kuFilipu, Sozithenga phi na izonka, ukuze badle aba?

6Úbesitsho ke emlinga; kuba ubeyazi yena into abeza kuyenza.

7UFilipu wamphendula wathi, Izonka zeedenariyo ezimakhulu mabini azibanele, ukuze elowo athabathe intwana.

8Athi kuye omnye kubafundi bakhe, uAndreya, umzalwana kaSimon Petros,

9Kukho nkwenkwana apha, inezonka ezihlanu zerhasi neentlanzi ezimbini; kodwa ke ziyintoni na ezo kwabangakanana?

10Uthe ke uYesu, Bahlaliseni phantsi abantu. Kwaye ke kukho utyani obuninzi kuloo ndawo. Ahlala phantsi ngoko amadoda, engathi amawaka mahlanu inani.

11Wazithabatha ke izonka uYesu, wathi akubulela wababela abafundi, bathi ke abafundi bábela abo babehleli phantsi, kwaba kwanjalo nakwiintlanzi, ngangokuthanda kwabo.

12Bakuhlutha ke, uthi kubafundi bakhe, Buthani amaqhekeza aseleyo, ukuze kungonakali nto.

13Babutha ngoko, bazalisa izitya zalishumi elinazibini ngamaqhekeza abesele kubo ababedlile, ezonkeni ezihlanu zerhasi.

14Ngoko abantu aba, bakuwubona umqondiso awawenzayo uYesu, bathi, Lo nguye inyaniso umprofeti lowo uzayo ehlabathini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Uthe ngoko uYesu, esazi ukuba bahlalele ukuza kumbamba ngamandla, bamenze ukumkani, wabuya wemka, waya entabeni yena yedwa.

UYesu uhamba phezu kolwandle
(UMat. 14:22-34)

16Ke kaloku, kuthe kwakuhlwa, behla abafundi bakhe, baya elwandle.

17Bengenile ke emkhombeni, baluwela ulwandle, besiya eKapernahum; kwakusekumnyama, waye uYesu engafikanga kubo.

18Lwaye nolwandle lusilwa, kananjalo kuvuthuza umoya omkhulu.

19Bakuba ngoko begweqile izitadiya ezingathi zimashumi mabini anazihlanu, nokuba mathathu, bambona uYesu ehamba phezu kolwandle, esiza kubo kufuphi nomkhombe; basuka boyika.

20Athi ke yena kubo, Ndim; musani ukoyika.

21Babethanda ngoko ukumamkelela emkhombeni; waza kwaoko umkhombe waba semhlabeni lowo babesiya kuwo.

UYesu usisonka sobomi

22Ngengomso indimbane leyo, ìbimi phesheya kolwandle, yakuba ibonile ukuba akukho mkhonjana wumbi khona, ngulowo mnye wodwa babengene kuwo abafundi bakhe; nokuba uYesu akangenanga nabafundi bakhe emkhonjaneni lowo, bemké bodwa abafundi bakhe;

23nokuba kuzé eminye imikhonjana ivela eTibheriya, kufuphi nendawo apho babedle isonka khona, yakuba ibulele iNkosi:

24xeshikweni ke indimbane yabonayo ukuba uYesu akakho apho nabafundi bakhe, besuka bangena nabo emikhombeni, beza eKapernahum, bemfuna uYesu.

25Bathe bakumfumana phesheya kolwandle, bathi kuye, Rabhi, ufike nini na apha?

26Wabaphendula uYesu wathi, Inene, inene, ndithi kuni, Anindifuni ngakuba nabona imiqondiso; nindifuna ngokuba nadla kwezaa zonka, nahlutha.

27Musani ukusebenzela ukudla okutshabalalayo; sebenzelani ukudla okuhlala kuse ebomini obungunaphakade, aya kunipha kona uNyana woMntu; kuba uYise uThixo utywine waqinisela yena lowo.

28Bathe ngoko kuye, Masenze ntoni na, ukuze sisebenze imisebenzi kaThixo?

29Waphendula uYesu, wathi kubo, Umsebenzi kaThixo nguwo lo, ukuba nikholwe kuye othunyiweyo nguye.

30Bathi ngoko kuye, Wènza mqondiso mni na wena, ukuze sibone, sikholwe nguwe?

31Usebenza ntoni na? Oobawo bethu bona badla imana entlango, njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Wabanika isonka siphuma ezulwini, ukuba badle sona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Uthe ngoko uYesu kubo, Inene, inene, ndithi kuni, AsinguMoses oninike isonka esiphuma ezulwini; nguBawo oninika isonka esiphuma ezulwini, esiyinyaniso.

33Kuba isonka sikaThixo sesi sehlayo ezulwini, silinike ubomi ihlabathi.

34Bathi ke ngoko kuye, Nkosi, sinike eso sonka ngamaxa onke.

35Wathi ke uYesu kubo, Isonka sobomi esi ndim; lowo uzayo kum, akasayi kulamba; lowo ukholwayo kum, akasayi kunxanwa naphakade.

36Senditshilo kuni ukuthi, Nindibonile nokundibona, anikholwa noko.

37Konke andinikayo uBawo, kuya kuza kum; nozayo kum, andisayi kukha ndimlahlele phandle;

38ngokuba ndihle emazulwini, ndingàze kwenza ukuthanda kwam; ndizé kwenza ukuthanda kwalowo wandithumayo.

39Kuko ke oku ukuthanda kowandithumayo, kukaBawo: ukuba konke awandinikayo, ndingalahli nento kuko, ndikuvuse ngomhla wokugqibela.

40Kuko ke oku ukuthanda kowandithumayo, ukuthi babe nobomi obungunaphakade bonke abambonayo uNyana, bakholwe kuye; ndandiya kubavusa mna ngomhla wokugqibela.

41Ayemkrokrela ngoko amaYuda, ngokuba wathi, Ndim isonka, esi sehlayo emazulwini.

42Ayesithi ke, Lo asinguye na kanene uYesu, unyana kaYosefu, esimaziyo thina uyise nonina? Angáthini na ke ngoko yena ukuthi, Ndihle emazulwini?

43Waphendula ngoko uYesu wathi kubo, Musani ukukrokra ngaphakathi kwenu.

44Akukho namnye unako ukuza kum, engathanga uBawo owandithumayo amtsale; ndaye mna ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela.

45Kubhaliwe ebaprofetini kwathiwa, Baye bonke beya kuba ngabafundiswa bakaThixo; bonke ngoko abathe beva kuBawo, bafunda kuye, bayeza kum.

46Kungekuba kukho bani umbonileyo uBawo, ingenguye ovela kuThixo; nguye yedwa ombonileyo uBawo.

47Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ukholwayo kum unobomi obungunaphakade.

48Ndim isonka sobomi.

49Ooyihlo bayidla imana leyo entlango, bafile noko.

50Isonka sona esihla emazulwini sesi, athi ubani akusidla, angafi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

51Ndim isonka esiphilileyo, esi sehlayo emazulwini. Ukuba ubani uthe wasidla esi sonka, wodla ubomi ngonaphakade; ke isonka endiya kumnika sona mna, siyinyama yam, endiya kuyinikela ubomi behlabathi.

52Ngoko amaYuda ayesilwa phakathi kwawo, esithi, Angáthini na lo ukusinika inyama yakhe siyidle?

53Wathi ngoko uYesu kuwo, Inene, inene, ndithi kuni, Ukuba anithanga niyidle inyama yoNyana woMntu, nilisele igazi lakhe, aninabo ubomi kuni.

54Lowo uyidlayo eyam inyama, alisele elam igazi, unobomi obungunaphakade; ndaye mna ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela.

55Kuba inyama yam ikukudla, inyaniso; negazi lam liluselo, inyaniso.

56Lowo uyidlayo eyam inyama, alisele elam igazi, uhleli kum, nam ndihlelikuye.

57Njengoko uBawo ophilileyo wandithumayo, ndibe nam ndiphilile ngenxa enoBawo, lowo undidlayo, kwayena uya kuphila ngam.

58Siso eso isonka esehla emazulwini; kungenjengokuba ooyihlo bayidlayo imana, bafa noko. Lowo usidlayo esi sonka, uya kuphila ngonaphakade.

59Ezi zinto wazithetha endlwini yesikhungu, efundisa eKapernahum.

UYesu ushiywa ngabafundi abaninzi. Isivumo sikaPetros

60Into eninzi ngoko kubafundi bakhe yakuva yathi, Lilizwi elinqabileyo eli; ngubani na onako ukuliva?

61Ke kaloku, esazi uYesu ngaphakathi kwakhe, ukuba bayakrokra lilo abafundi bakhe, wathi kubo, Kuyanikhubekisa na oku?

62Hi na ke, ukuba nithe nambona uNyana woMntu enyukela apho ebefudula ekhona?

63Ngumoya odlisa ubomi; inyama yona ayincedi lutho. Amazwi la ndiwathethayo kuni mna angumoya, abubomi.

64Kukho abathile kuni abangakholwayo. Kuba ebesazi kwasekuqalekeni uYesu, ukuba ngoobani na ababengakholwa, nokuba ngubani na oya kumnikela.

65Wayesithi, Kungenxa yoku ndatshoyo kuni ukuthi, Akukho namnye unako ukuza kum, ukuba akathanga akunikwe nguBawo.

66Ngenxa yoko into eninzi yabafundi bakhe yabuya umva, ayaba sahamba naye.

67Wathi ngoko uYesu kwabalishumi elinababini, Nani nifuna ukumka, yini na?

68Wamphendula ngoko uSimon Petros wathi, Nkosi, sosuka siye kubani na? Nguwe onamazwi obomi obungunaphakade.

69Nathi sikholiwe, sazile, ukuba wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

70Wabaphendula uYesu wathi, Andininyulanga na mna, nina shumi linababini?
Ukanti omnye kuni ungumtyholi.

71Wayethetha ke ngoYuda Sikariyoti kaSimon, kuba lowo ibinguye obeza
kumngcatsha, engomnye weshumi elinababini.

UYohane 7

Ukungakholwa kwabazalwana bakaYesu

1Emveni kwezi zinto, wayehamba uYesu kwelaseGalili; kuba ebengathandi ukuhamba
kwelakwaYuda; ngokuba amaYuda ebefuna ukumbulala.

2Ke kaloku, wawukufuphi umthendeleko wamaYuda weminquba.

3Bathi ngoko kuye abazalwana bakhe, Gqitha apha, uye kwelakwaYuda, ukuze
nabafundi bakho bayibone imisebenzi yakho oyenzayo.

4Kuba akukho namnye wenza into emfihlekweni, abe yena ngokwakhe efuna ukuba
sekuhléni. Ukuba uyazenza ezi zinto, zibonakalise ngokwakho kwihlabathi.

5Kuba nabazalwana bakhe bebengakholwa kuye.

6Wathi ngoko uYesu kubo, Ixesha lam alikabikho, ke elenu ixesha lihlala lilungile.

7Ihlabathi alinakunithiya nina; mna ke liyandithiya, ngokuba mna ndingqina ngalo,
ukuba imisebenzi yalo ayindawo.

8Nyukani nina, niye kulo mthendeleko; mna andikanyuki, ndiye kulo mthendeleko;
ngokuba ixesha lam alikazaliseki.

9Akuba ke ezithethile ezi zinto kubo, wahlala kwelaseGalili.

UYesu ufundisa etempileni ngesidlo seminquba. Bazama ukumbamba

10Ke, bakuba benyukile abazalwana bakhe, wenyuka naye, waya emthendelekweni,
kungekhona ekuhléni, kubusithela.

11Ayemfuna ngoko amaYuda emthendelekweni, esithi, Uphi na yena?

12Kwaye kukho ukukrokra okukhulu ngaye ebantwini; inxenye ibisithi, Ulungile;
abanye ke besithi, Hayi, yena ulahlekisa uluntu olu.

13Noko ke bekungekho namnye ubethetha ngaye ngokusekuhléni, ngenxa yokoyika
amaYuda.

14Ke kaloku, kwakubon' ukuba sekuphakathi komthendeleko, wenyuka uYesu waya
etempileni, wafundisa.

15Ayemangaliswa amaYuda, esithi, Lo uyazi ngani na imfundo, engafundanga nje?

16Waphendula uYesu, wathi, Eyam imfundiso asiyam, yeyalowo wandithumayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ukuba kukho othi afune ukukwenza ukuthanda kwakhe, woyazi imfundiso le:
ukuba iphuma kuThixo, nokuba mna ndithetha okukokwam, kusini na.

18Lowo uthetha okwakhe, ufuna olulolwakhe uzuko; ke lowo ufuna uzuko
lowamthumayo, uyinene yena, akukho kungalungisi kuye.

19Umthetho aniwunikelwanga na nguMoses? Kanti ke akukho namnye kuni
uwugcinayo umthetho; yini na ukuba nifune ukundibulala?

20Saphendula isihlwele sathi, Ùnedemon; ngubani na ofuna ukukubulala?

21Wapendula uYesu wathi kubo. Ndenzé umsebenzi wamnye, namangaliswa ke
nonke.

22UMoses uninike ulwaluko ngenxa yoku, kungengenxa yokuba luphume kuMoses,
kungenxa yokuba luphume kooyihlo. Niyamalùsa ke umntu nangesabatha.

23Ukuba umntu uyalùswa ngesabatha, ukuze ungaphulwa umthetho kaMoses,
nindijalele na ngokuba ndiphilise umntu, waphila kwaphela, ngesabatha?

24Musani ukugweba ngokwembonakalo; gwebani ngomgwebo olungisayo.

25Babesithi ngoko abathile kwabaseYerusalem, Asinguye na lo bafuna ukumbulala?

26Niyabona, uthetha ngokuphandle, abathethi nto kuye; bangába kanti na ke bayazi
okwenyaniso abaphathi, ukuba lo nguye uKristu okwenyaniso?

27Thina siyamazi lo apho avela khona; xa sukuba ke uKristu esiza, akukho namnye
uya kumazi apho avela khona.

28Wadanduluka ke ngoko uYesu, efundisa etempileni, wathi, Nina niyandazi, nikwazi
nalapho ndivela khona; andizanga ngokwam; uyinyaniso owandithumayo,
eningamaziyo nina.

29Mna ke ndiyamazi; ngokuba ndivela kuye, waye yena endithumile.

30Babefuna ngoko ukumbamba; kodwa akubangakho namnye umsa isandla, ngokuba
ilixa lakhe belingekafiki.

31Ke kaloku, into eninzi esihlweleni yakholwa kuye; yayisithi, uKristu, xa athe wafika,
angaba uya kwenza imiqondiso emininzi na kunale ayenzileyo lo?

32AbaFarisi beva abantu bezikrokrela ezi zinto ngaye; baza abaFarisi nababingeleli
abakhulu bathuma amadindala, ukuba ambambe.

33Wathi ngoko uYesu kuwo, Liselixesha elifutshane endinani, ndizè ndiye
kowandithumayo.

34Niya kundifuna, ningandifumani; nithi apho ndikhona mna, ningabi nakufika nina.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Athi ngoko amaYuda phakathi kwawo, Úza kuya phi na lo, le nto singayi kumfumana thina? Angaba uza kuya kwiintsali ezikumaGrike, afundise amaGrike, yini na?

36Liyintoni na eli lizwi alithethileyo, lithi, Niya kundifuna, ningandifumani; nithi apho ndikhona mna, ningabi nakufika nina?

37Ke kaloku, ngomhla wokugqibela, ongowona mkhulu womthendeleko, wema uYesu, wadanduluka esithi, Ukuba kukho othi anxanwe, makeze kum asele.

38Lowo ukholwayo kum, njengoko satshoyo isibhalo, kuya kumpompoza imilambo yamanzi aphilileyo, iphuma embilinini wakhe.

39Oku wakutsho ke ngaye uMoya, ababeza kumamkeliswa abo bakholwayo kuye; kuba ebengekamkelwa uMoya oyiNgcwele; ngokuba uYesu ebengekazukiswa.

40Yaye ngoko into eninzi esihlweleni, yakuliva ilizwi elo, isithi, Lo nguye umprofeti, inyaniso. Babesithi abanye, Lo nguye uKristu.

41Babesithi abanye, uKristu angávela kwelaseGalili yini na?

42Asitshongo na isibhalo ukuthi, uKristu uphuma embewini kaDavide, naseBhetelehem, umzana abekuwo uDavide?

43Ke ngoko sathi qheke kubini isihlwele ngenxa yakhe.

44Inxenye ke kubo yayithanda ukumbamba, kodwa akubangakho namnye umsa izandla.

45Afika ngoko amadindala kubabingeleli abakhulu nakubaFarisi; baza bona bathi kuwo, Kungani na ukuba ningezi naye?

46Aphendula amadindala athi, Akuzanga kuthethe mntu njengoko athetha ngako lo mntu.

47Bawaphendula ngoko abaFarisi, bathi, Ningaba nilahlekisiwe nani na?

48Kubaphathi nakubaFarisi kungaba kukho mntu ukholiweyo kuye yini na?

49Olu luntu lungawaziyo umthetho luqalekisiwe.

50Uthe uNikodemo kubo (lowo wezayo kuye ebusuku, engomnye kwabo),

51Umthetho wethu uyamgweba yini na umntu, ukuba awuthanga uve kuye kuqala, uqonde into ayenzayo?

52Baphendula bathi kuye, Ùngaba ungowelaseGalili nawe na? Phengulula ubone, ukuba akuveli mprofeti kwelaseGalili.

53Walowo ke waya kweyakhe indlu.

UYohane 8

© 1975 Bible Society of South Africa.

Umfazi obanjwe ekrexeza

1UYesu ke yena waya eNtabeni yemiNquma.

2Uthe ke ngesifingo wabuya wafika etempileni; baye bonke abantu besiza kuye; wahlala phantsi, wabafundisa.

3Ababhali nabaFarisi bazisa ke kuye umfazi obanjwe ekrexeza; baza, bemmise phakathi,

4bathi kuye, Mfundisi, lo mfazi wabanjwa ekrexeza, kanye kuloo ntlondi.

5Ke kaloku, emthethweni uMoses wasimisela ukuthi, abanjalo mabagityiselwe ngamatye; ùthini na ke wena?

6Babesitsho ke bemhenda, ukuze babe nokummangalela; kodwa uYesu, ethobe phantsi, wabhala ngomnwe emhlabeni.

7Uthe ke bakumana bembuza, waphakama, wathi kubo, Ongenasono kuni makaqale amgibisele ngelitye.

8Wabuya wathoba phantsi, wabhala emhlabeni.

9Bathe ke bona bakuva, besohlwaywa naluvalo lwabo, baphuma ngabanye, beqalela kwabakhulu, kwada kwaba kwabokugqibela. Wasala yedwa uYesu, waye umfazi emi phakathi.

10Ephakamile ke uYesu, àkabona mntu kwakuphela ngumfazi lowo; wathi kuye, Mfazindini, baphi na abo bamangaleli bakho? Akukho ukugwebileyo na?

11Wathi ke yena, Noko amnye, Nkosi. Wathi ke uYesu kuye, Nam andikugwebi; hamba, ungabuye wone.

Ingxoxo kaYesu ngokuthunywa kwakhe nguThixo

12Wabuya ngoko uYesu wathetha kubo, esithi, Ndim ukhanyiselo lwehlabathi; lowo undilandelayo akasayi kuhamba ebumnyameni; yena uya kuba nalo ukhanyiso lobomi.

13Bathe ngoko abaFarisi kuye, Wena uyazingqinela, ubungqina bakho abunene.

14Waphendula uYesu wathi kubo, Nokuba ndithi ndizingqinele mna ngokwam, buyinene ubungqina bam; ngokuba ndiyazi apho ndavela khona, nalapho ndiya khona; ke nina anazi apho ndivela khona, nalapho ndiya khona.

15Nina nigweba ngokwenyama; mna andigwebi namnye.

16Nokuba ndithi ndigwebe mna, umgwebo wam uyinene; ngokuba andindedwa, ndim noBawo owandithumayo.

17Nasemthethweni wenu ke kubhaliwe kwathiwa, Ubungqina babantu ababini buyinene.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Mna ndingulowo uzingqinelayo; uyandingqinela nalowo wandithumayo, uBawo.

19Bathi ngoko kuye, Uphi na uYihlo? Waphendula uYesu, wathi, Anindazi mna; animazi noBawo. Ukuba benindazi mna, ninge nimazi noBawo.

20Loo mazwi wawathetha uYesu ngasemkhumbini wokulondoloza imali, efundisa etempileni; akwabakho namnye umbambayo; ngokuba belingekafiki ilixa lakhe.

21Wabuya ngoko uYesu wathi kubo, Ndiyemka mna; niya kundifuna, nifele esonweni senu; apho ndiya khona mna, aninako ukufika nina.

22Abesithi ngoko amaYuda, Angaba úya kuzibulala na, le nto athi, Apho ndiya khona mna, aninako ukufika nina?

23Wathi kuwo, Nina ningabangaphantsi, mna ndingowangaphezulu; nina ningabeli hlabathi, mna andingoweli hlabathi.

24Ndatsho ngoko kuni ukuthi, Niya kufela ezonweni zenu; kuba ekubeni nithe anakholwa ukuba ndinguye, niya kufela ezonweni zenu.

25Abesithi ngoko kuye, Ùngubani wena? Wathi kuwo uYesu, Ndiyiloo nto ndayixelayo kuni kwasekuqaleni.

26Ndineendawo ezininzi zokuthetha nokugweba ngani; lowo wandithumayo uyinene; ndithi ke mna, izinto endazivayo kuye, ndithethe zona ezo kwihlabathi.

27Akaqondanga ukuba ebethetha ngoYise kuwo.

28Wathi ngoko uYesu kuwo, Xa nithe namphakamisa uNyana woMntu, noqonda oko ukuba ndinguye, nokuba andenzi nto ngokwam; ndisuka ndizithethe ezi zinto njengoko wandifundisayo uBawo.

29Lowo wandithumayo unam; uBawo akandishiyanga ndedwa; ngokuba mna ndihleli ndizenza izinto ezikholekileyo kuye.

30Akubon' ukuba uyazithetha ezi zinto, bakholwa kuye, baba baninzi.

31Ubesithi ngoko uYesu kuloo maYuda akholiweyo kuye, Ukuba nina nithe nahlala elizwini lam, noba ningabafundi bam, inyaniso.

32Naniya kuyazi inyaniso, yaye inyaniso iya kunikhulula.

33Amphendula, athi, Thina siyimbewu ka-Abraham; asizanga sibe sebukhobokeni nakubani; ùtsho ngani na wena ukuthi, Noba ngabakhululekileyo?

34Uwaphendule uYesu wathi, Inene, inene, ndithi kuni, Bonke abenza isono bangamakhoboka esono.

35Ikhoboka ke alihlali endlwini ngonaphakade; ngunyana ohlala ngonaphakade.

36Ngoko ukuba uNyana uthe wanikhulula, noba nikhululekile inene.

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Ndiyazi ukuba niyimbewu ka-Abraham; ke nifuna ukundibulala, ngokuba ilizwi lam
lingenakuhamba kuni.

38Mna ndithetha endikubonileyo kuBawo; nani ke nenza enikubonileyo kuyihlo.

39Aphendula athi kuye, Ubawo thina nguAbraham. Athi kuwo uYesu, Ukuba nibe
ningabantwana baka-Abraham, ninge niyenza imisebenzi ka-Abraham.

40Kaloku ke, nifuna ukubulala mna, mntu unixelele inyaniso endayiva kuThixo;
àkakwenzanga oko uAbraham.

41Nina nenza imisebenzi yooyihlo. Athi ngoko kuye, Thina asizelwe ngabuhenyu,
sinaBawo mnye, uThixo.

42Uthe ke uYesu kuwo, Ukuba uThixo ebenguYihlo, ninge nindithanda; kuba mna
ndaphuma kuThixo, ndifikile ke; kuba andizanga ngokwam, nguye owandithumayo.

43Kungani na ukuba ningayiqondi intetho yam? Kungokuba ningenakuliva ilizwi lam.

44Nina ningaboyihlo uMtyholi, neenkanuko zoyihlo niyathanda ukuzenza. Yena waye
esisibulala-mntu kwasekuqaleni; akemi enyanisweni, ngokuba akukho nyaniso kuye.
Xa sukuba ethetha ubuxoki, uthetha okukokwakhe; ngokuba ulixoki, noyise wawo.

45Mna ke, ngokuba ndithetha inyaniso, anikholwa ndim.

46Ngubani na kuni ondohlwayayo ngenxa yesono? Ukuba ke ndithetha inyaniso,
kungani na ukuba ningàkholwa ndim?

47Lowo ungokaThixo, uyaweva amazwi kaThixo; ngenxa yoko aniweva nina, ngokuba
ningengabakaThixo.

48Aphendula ngoko amaYuda, athi kuye, Asilungisi na thina ukuthi ùngumSamariya
wena, nokuthi ùnedemon?

49Waphendula uYesu wathi, Andinademon mna; ndibeka uBawo; nina ke nibe
nindihlaza.

50Mna ke andifuni luzuko lwam; ukho lowo ufunayo, ugwebayo.

51Inene, inene, ndithi kuni, Ukuba umntu uthe waligcina ilizwi lam, akasayi kuza
abone kufa naphakade.

52Athi ngoko amaYuda kuye, Kukalokunje, siyazi ukuba unedemon. UAbraham wafa,
nabo abaprofeti bafa, ube wena usithi, Ukuba umntu uthe waligcina ilizwi lam,
akasayi kuza eve kufa naphakade.

53Wena ungaba umkhulu yini na kunobawo wethu uAbraham, yena wafayo?
Nabaprofeti bafa; uzenza bani na wena?

54Waphendula uYesu wathi, Ukuba mna ndithi ndizizukise, uzuko lwam alungebi nto;
nguBawo ondizukisayo; enithi nina nguThixo wenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

55Kanti ke animazanga, mna ke ndiyamazi. Ukuba ke ndithe andimazi, ndoba ndilixoki njengani; ndiyamazi, ndiligcinile nelizwi lakhe.

56UAbraham, uyihlo, wagcobela ukuwubona umhla wam; wawubona, wavuya.

57Athi ngoko amaYuda kuye, Ungekabi naminyaka imashumi mahlanu nje, umbonile na uAbraham?

58Wathi kuwo uYesu, Inene, inene, ndithi kuni, Engekabikho uAbraham, mna ndikho kade.

59Ngoko achola amatye, ukuze amgibisele; wazímela ke uYesu, waphuma etempileni, wacanda phakathi kwawo; wenjenjalo ukudlula.

UYohane 9

Ukuphiliswa kozelwe eyimfama

1Uthe ke edlula, wabona umntu obe eyimfama kwasekuzalweni kwakhe.

2Bambuza ke abafundi bakhe, besithi, Rabhi, ngubani na owonayo, ngulo, ngabazali bakhe, sini na, ukuze azalwe eyimfama nje?

3Waphendula uYesu wathi, Akoné lo, akoné bazali bakhe; uzelwe eyimfama ukuze ibonakalaliselwe kuye imisebenzi kaThixo.

4Ndimelwe kukuyisebenza imisebenzi yowandithumayo, kusesemini; kuza ubusuku, xa kungekho namnye unako ukusebenza.

5Xa ndisesehlabathini, ndilukhanyiselo lwehlabathi.

6Akuba etshilo, watshica emhlabeni, wenza udaka ngamathe, wawaqaba amehlo emfama ngodaka olo.

7Wathi kuyo, Yiya kuhlamba echibini leSilowa (oko kukuthi ngentetho evakalayo, Thunyiwe). Yemka ngoko, yaya yahlamba, yeza ibona.

8Baye ngoko abamelwane, nababembona ngaphambili ukuba uyimfama, besithi, Lo asinguye na obehleli engqiba?

9Abanye babesithi, Nguye lo; bambi ke bathi, Ufana naye; yena ke wayesithi, Ndinguye.

10Babesithi ngoko kuye, Atheni na ukuvuleka amehlo akho?

11Waphendula yena wathi, Umntu ekuthiwa nguYesu wenzé udaka, waqaba amehlo am, wathi kum, Yiya echibini leSilowa, uhlambe; ndiyile ke ndahlamba, ndabuya ndibona.

12Bathi ngoko kuye, Úphi na yena? Athi, Andazi.

13Bamzisa kubaFarisi lowo ubefudula eyimfama.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ke kaloku yaye iyisabatha, oko uYesu wenza udaka, wawavula amehlo akhe.

15Babuya ngoko ke bambuza nabaFarisi, ukuba útheni na ukuba abuye abone. Wathi ke yena kubo, Ubeké udaka emehlweni am, ndaza ndahlamba; ndiyabona ke.

16Babesithi ngoko abathile bakubaFarisi, Lo mntu asingowakwaThixo, ngokuba isabatha akayigcini. Babesithi abanye, Angáthini na umntu ongumoni ukwenza imiqondiso engakanana?

17Bathi qheke kubini. Babuya bathi kwimfama, Ùthini na wena ngaye, ewavulile nje amehlo akho? Uthe ke yena, Ungumprofeti.

18Akakholwa ngoko amaYuda ngaye, ukuba ebeyimfama, wabuye wabona, ada abiza abazali balowo ubuye wabona.

19Aza ababuza esithi, Lo ngunyana wenu na, enithi nina wazalwa eyimfama?

20Phofu ubona ngani na ngoku? Abazali bakhe bawaphendula bathi, Siyazi ukuba lo ngunyana wethu, kwanokuba ke wazalwa eyimfama;

21le nto ke abonayo ngoku asazi, novulé amehlo akhe, asimazi thina; uselemkhulu yena, buzani kuye, wozithethela.

22Batsho abazali bakhe, ngokuba babesoyika amaYuda; kuba amaYuda abeselenqophisene ngokuthi, Ukuba uthe umntu wamvuma ukuba nguKristu, aze akhutshwe esikhungwini.

23Kungenxa yoko abazali bakhe bathi, Uselemkhulu, buzani kuye.

24Ambiza ngoko okwesibini umntu obeyimfama, athi kuye, Zukisa uThixo; siyazi thina ukuba lo mntu ungumoni.

25Uphendule ngoko yena, wathi, Ukuba ungumoni, andazi; ndazi ntonye, eyokuba ndibe ndiyimfama nje, ngoku ndiyabona.

26Abuye ke athi kuye, Wénzé ntoni na kuwe? útheni na ukuwavula amehlo akho?

27Wawaphendula wathi, Sendinixelele, naza aneva; nithandelani na ukubuya nive? Nani ningaba nithanda ukuba ngabafundi bakhe na?

28Amtshabhisa ngoko athi, Nguwe umfundi wakhe; ke thina singabafundi bakaMoses.

29Siyazi thina, ukuba uThixo uthethile kuMoses; lo yena asimazi apho avela khona.

30Waphendula umntu lowo, wathi kuwo, Nasi apha isimanga, ukuthi nina ningàzi apho avela khona; ukanti uwavulile amehlo am.

31Siyazi ke ukuba uThixo akabeva aboni; kodwa ukuba umntu uthi amhlonele uThixo, akwenze ukuthanda kwakhe, uyamva lowo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Kwasephakadeni akuzanga kuviwe ukuba umntu wakha wavula amehlo ozelwe eyimfama.

33Ukuba lo ebengenguye owakwaThixo, ebengenakwenza nto.

34Aphendula athi kuye, Wena wazalelwa ezonweni kanye; ùfundisa thina na wena? Amkhuphela ngaphandle.

35Weva uYesu ukuba amkhuphele ngaphandle. Uthe akumfumana wathi kuye, Wena uyakholwa na kuNyana kaThixo?

36Uphendule yena wathi, Ongubani na, Nkosi, ukuze ndikholwe kuye?

37Uthe ke uYesu kuye, Umbonile; nguye lo uthetha nawe.

38Wathi ke yena, Ndiyakholwa, Nkosi. Waza waqubuda kuye.

39Wathi uYesu, Mna ndizele ugwebo kweli hlabathi, ukuze abangaboniyo babone, bathi ababonayo babe ziimfama.

40Baziva ezo nto abakubaFarisi ababenaye, bathi kuye, Singaba siziimfama nathi na?

41Uthe ke kubo uYesu, Ukuba beniziimfama, ngeningenasono; kungoku nithi, Siyabona; ke ngoko isono senu sihleli.

UYohane 10

Umzekeliso womalusi olungileyo

1Inene, inene, ndithi kuni, Ongangeniyo ngalo isango ebuhlantini bezimvu, osuka akhwele ngandawo yimbi, lowo ulisela nesihange.

2Ke yena ongena ngalo isango ngumalusi wezimvu.

3Umgcini-sango uyamvulela lowo; zithi nezimvu zilive izwi lakhe, azibize ezakhe izimvu ngamagama, azikhokelele phandle zona.

4Xa athe wazikhupha ezakhe izimvu, uhamba phambi kwazo, zithi nezimvu zimlandele; ngokuba zilazi izwi lakhe.

5Ke owasemzini azingemlandeli; zosuka zimbaleke, ngokuba zingalazi izwi labasemzini.

6Lo mzekeliso wawuthetha kubo uYesu; ke bona abaziqondanga ukuba zizinto zini na ezo abezithetha kubo.

7Wabuya wathi ngoko kubo uYesu, Inene, inene, ndithi kuni, Ndim isango lezimvu.

8Bonke abezáyo ngaphambi kwam bangamasela nezihange; ke zona izimvu azibevanga.

9Ndim isango; ukuba umntu uthe wangena ngam, wosindiswa; uya kungena ephuma, afumane utyani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Isela alizi lingazele ukuze libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo ke ngokugqithiseleyo.

11Ndim umalusi olungileyo; umalusi olungileyo, ubomi bakhe ubuncamela izimvu.

12Ke yena ongumqeshwa, engengumalusi, ezingezizo ezakhe izimvu, uyibona ingcuka isiza, azishiye izimvu, abaleke, ize ingcuka izibambe, izichithachithe izimvu.

13Umqeshwa lo ke ubaleka ngokuba engumqeshwa, engazikhathalele izimvu.

14Ndim umalusi olungileyo; ndiyazazi ezam, ndiyaziwa zezam.

15Njengokuba endazi uBawo, nam ndiyamazi uBawo, nobomi bam ndibuncamela izimvu.

16Ndinazo nezinye izimvu, ezingezizo ezobu buhlanti; nazo ezo ndimelwe kukuza nazo; zaye ziya kuliva izwi lam, zibe mhlambi mnye, nomalusi abe mnye.

17Ngenxa yoku uBawo uyandithanda; ngokuba mna ndibuncama ubomi bam, ukuze ndibuye ndibuthabathe.

18Akukho namnye ubuhluthayo kum, ndiyabuncama mna ngokwam; ndinegunya lokubuncama, ndinegunya lokubuya ndibuthabathe; lo mthetho ndawamkela kuBawo.

19Abuya ngoko amaYuda athi qheke kubini ngenxa yala mazwi.

20Yayisithi ke into eninzi kuwo, Únedemon, úyageza; yini na ukuba nimphulaphule?

21Abanye babesithi, La mazwi asingawo awophethwe yidemon: idemon ingaba inako yini na ukuvula amehlo emfama?

UYesu emthendelekweni wokuhlaziywa kwetempile. Ubutshaba bamaYuda

22Ke kaloku, kwabakho umthendeleko wokuhlaziywa kwetempile eYerusalem; kwaye kusebusika.

23Waye ehambahamba uYesu etempileni, evarandeni kaSolomon.

24Amngqonga ngoko amaYuda, athi kuye, Koda kube nini na usiphongomisile? Ukuba unguye uKristu, sixelele ngokuphandle.

25Wawaphendula uYesu wathi, Ndinixelele, noko anikholwa; imisebenzi endiyenzayo mna egameni likaBawo, yona iyangqina ngam.

26Nina anikholwa, kuba aningabo abezimvu zam; njengoko ndanixelelayo.

27Ezam izimvu ziyaliva ilizwi lam, ndibe nam ndizazi, zindilandela;

28mna ndizinika ubomi obungunaphakade; azisayi kutshabalala naphakade; akukho namnye uya kuzihlutha esandleni sam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29UBawo, ondinike zona, ungaphezu kwabo bonke; akukho bani unako ukuzihlutha
esandleni sikaBawo.

30Mna noBawo sibanye.

31Abuya ngoko amaYuda achola amatye ukuba amxulube.

32Wawaphendula uYesu wathi, Mininzi imisebenzi emihle endanibonisayo, ivela
kuBawo; nindixuluba ngenxa yawuphi na umsebenzi kuyo?

33Amphendula amaYuda esithi, Asikuxulubeli msebenzi mhle, sikuxuluba ngokuba
unyelisa; nangokuba wena usithi, ùngumntu nje, usuke uzenze uThixo.

34Uwaphendule uYesu wathi, Akubhaliwe na emthethweni wenu, kwathiwa, Mna
ndithe ningoothixo?

35Ukuba úthe bona bangoothixo, eleza kubo ilizwi likaThixo (sibe isibhalo
singenakwaphulwa),

36nitsho na nina ngaye lowo uYise wamngcwalisayo, wamthuma ehlabathini, ukuthi,
Ùyanyelisa; ngokuba ndithe, NdinguNyana kaThixo?

37Ukuba andiyenzi imisebenzi kaBawo, musani ukukholwa ndim.

38Ke ukuba ndiyayenza, nokuba anikholwa ndim, kholwani yiyo yona imisebenzi;
ukuze nazi, nikholwe, ukuba uBawo ukum, nam ndikuye.

39Abuya ngoko afuna ukumbamba; waphuluka ezandleni zawo.

40Wabuya wemka, waya phesheya kweYordan, kwindawo abebhaptizela kuyo
uYohane kuqala; wahlala khona.

41Kweza babaninzi kuye, bathi, UYohane okunene akenzanga namnye umqondiso;
kodwa ke zonke izinto, awazithethayo uYohane ngaye lo, zaziyinene.

42Bathi abaninzi bakholwa kuye khona apho.

UYohane 11

Ukuvuswa kukaLazaro

1Ke kaloku, kwaye kusifa umntu othile, uLazaro waseBhetani, umzi wakulooMariya,
noMarta udade wabo.

2Yaye ke inguloo Mariya, wayithambisayo iNkosi ngamafutha aqholiweyo, wazisulayo
iinyawo zayo ngeenwele zakhe, omnakwabo uLazaro wayesifa.

3Bathumela ngoko oodade babo kuye, besithi, Nkosi, uyabona, lowo ùmthandayo
uyafa.

4Evile ke uYesu wathi, Esi sifo asiyelele kufeni; singenxa yozuko lukaThixo, ukuze
uNyana kaThixo azukiswe ngaso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ke uYesu wayebathanda ooMarta nomsakwabo noLazaro.

6Uthe ngoko akuva ukuba uyafa, wakha okunene wahlala kuloo ndawo abekuyo iintsuku ezimbini.

7Waza emveni koko wathi kubo abafundi, Masibuye siye kwelakwaYuda.

8Bathi abafundi kuye, Rabhi, amaYuda ebefuna ngoku ukukuxuluba ngamatye nje, ùbuya uye khona na?

9Waphendula uYesu wathi, Àkalishumi elinamabini na amaxa emini? Ukuba umntu uthi ahambe emini, akakhubeki; ngokuba elubona ukhanyiselo lweli hlabathi.

10Ke ukuba umntu uthi ahambe ebusuku, uyakhubeka; ngokuba ukukhanya kungekho kuye.

11Wazithetha ezi zinto; aze emveni koko athi kubo, ULazaro, umhlobo wethu, ulele; ndiyaya ukuba ndimvuse.

12Bathi ngoko abafundi bakhe, Nkosi, ukuba ulele, wósinda.

13Ke yena uYesu ubethetha ukufa kwakhe. Bona ke bebeba uthetha ngokulala ubuthongo.

14Wandula ngoku uYesu wathi kubo ngokungafihilisiyo, ULazaro ufile.

15Ndiyavuya ke ngenxa yenu, ukuba ndibé ndingekho khona, ukuze nikholwe. Noko ke masiye kuye.

16Uthe ngoko uTomas, okuthiwa nguDidimo, kubafundi kunye naye, Masiye nathi, ukuze sife naye.

17Efikile ngoko uYesu, wafika eselesengcwabeni iintsuku zoné.

18(Ke kaloku iBhetani ibikufuphi neYerusalem, umgama wayo uzizitadiya ezingathi zilishumi elinazihlanu.)

19Kwakufike abaninzi bakumaYuda, kwabo babenoMarta noMariya, ukuze babakhuze ngaye umnakwabo.

20Akuva ngoko uMarta ukuba uYesu uyeza, wamhlangabeza; ke yena uMariya wahlala endlwini.

21Wathi ngoko uMarta kuYesu, Nkosi, ukuba ubulapha, umnakwethu ange engafanga.

22Nangoku ndiyazi ukuba, ongáthi ukucele kuThixo, oko wokunika uThixo.

23Athi kuye uYesu, Umnakwenu uya kubuya avuke.

24Athi uMarta kuye, Ndiyazi ukuba uya kubuya avuke eluvukweni, ngomhla wokugqibela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Wathi uYesu kuye, Ndim uvuko, ndim ubomi; lowo ukholwayo kum, nokuba ubethé wafa, wodla ubomi.

26Bonke abadla ubomi bekholwa kum, abasayi kufa naphakade; ùyakholwa na koko?

27Athi kuye, Ewe, Nkosi, mna ndiyakholwa ukuba wena unguye uKristu, uNyana kaThixo, lowo uzayo ehlabathini.

28Waza etshilo wemka, waya wabiza uMariya umsakwabo ngasese, wathi, UMfundisi ukho, úyakubiza.

29Uthi yena, akuva oko, asuke kamsinya eze kuye.

30(Ke kaloku, uYesu ebengekangeni phakathi komzi; wayesekuloo ndawo uMarta wamhlangabeza ekuyo.)

31Athe ngoko amaYuda abenaye endlwini emkhuza, akumbona uMariya, ukuba usuke kamsinya waphuma, amlandela esithi, Úya engcwabeni, ukuya kulila khona.

32UMariya ngoko, akufika apho uYesu ebekhona, akumbona, wawa ezinyaweni zakhe, esithi kuye, Nkosi, ukuba ubulapha, ange engafanga umnakwethu.

33Uthe ngoko uYesu, akumbona elila, namaYuda abeze naye elila, wafutheka, wakhathazeka.

34Wathi, Nimbeke phi na?

35Bathi kuye, Nkosi, yiza ubone. UYesu walila.

36Ayesithi ngoko amaYuda, Yabonani ke ukumthanda kwakhe!

37Ke abathile kuwo bathi, Ubengenako na lo, wawavulayo amehlo emfama, ukwenza ukuba naló angafi?

38Abuye ke uYesu afutheke ngaphakathi kwakhe, eze engcwabeni. Laye ke lingumqolomba, kubekwe ilitye kuwo.

39Athi uYesu, Lisuseni ilitye. Athi kuye uMarta, udade wofileyo, Nkosi, uselenuka, kuba untsuku-né efile.

40Athi uYesu kuye, Anditshongo na kuwe ukuthi, Ukuba uthe wakholwa, wolubona uzuko lukaThixo?

41Balisusa ngoko ilitye apho abelele khona ofileyo. Wawaphakamisa ke amehlo uYesu, wakhangela phezulu, wathi, Bawo, ndiyabulela kuwe kuba undivile.

42Mna ke bendisazi ukuba uhleli undiva; ke nditsho ngenxa yesihlwele esixhonteleyo, ukuze bakholwe ukuba wena wandithuma.

43Etshilo ke, wadanduluka ngezwi elikhulu, wathi, Lazaro, phuma.

© 1975 Bible Society of South Africa.

44Waphuma ofileyo, ebotshiwe iinyawo nezandla ngezithandelo, nobuso bakhe bujikelwe ngeqhiya. Athi kubo uYesu, Mkhululeni, nimyeke ahambe.

AbaFarisi babhunga ukumbulala uYesu
(UMat. 26:1-5)

45Ithe ngoko into eninzi kumaYuda, ebizé kuMariya, yakuzibona izinto azenzileyo uYesu, yakholwa kuye.

46Ke abathile kuwo bemka baya kubaFarisi, babaxelela izinto azenzileyo uYesu.

47Bahlanganisa ngoko ababingeleli abakhulu nabaFarisi intlanganiso yamatyala, bathi, Senza ntoni na? Ngokuba lo mntu wenza imiqondiso emininzi.

48Ukuba sithe samyeka ngokunje, bonke baya kukholwa kuye; athi ke amaRoma eze, athimbe indawo yethu, kwanohlanga lwethu.

49Ke kaloku omnye wabo, uKayafa, engumbingeleli omkhulu ngaloo mnyaka, wathi kubo, Anazi nto nina;

50kananjalo aniqondi ukuba kusilungele, ukuba kufe umntu abe mnye ngenxa yabantu, ukuze lungatshabalali uhlanga luphela.

51Oku ke akakuthethanga kuphuma kuye; wathi, kuba ebengumbingeleli omkhulu ngaloo mnyaka, waprofeta ukuba uYesu uza kulufela uhlanga;

52kungabi ngenxa yohlanga olo lodwa, kube ngenxa yabantwana bakaThixo abalusali, ukuba abahlanganisele ndawonye.

53Kususela kuloo mini ngoko babhunga ukuba bambulale.

54Ngoko uYesu akabanga sahamba ekuhléni phakathi kwamaYuda; wasuka wemka apho, waya ezweni elikufuphi nentlango, emzini ekuthiwa kukwaEfrayim; walibala khona apho nabafundi bakhe.

55Ke kaloku yayikufuphi ipasika yamaYuda; kwenyuka into eninzi iphuma kwelo zwe, yaya eYerusalem phambi kwayo ipasika, ukuze izenze nyulu.

56Ayemfuna ngoko uYesu, ethetha odwa, emi etempileni, esithi, Nithini na? akasayi kuza na emthendelekweni?

57Ke kaloku ababingeleli abakhulu nabaFarisi babewise umthetho wokuthi, ukuba umntu uthe wazi apho akhona, maze axele, ukuze bambambe.

UYohane 12

UMariya uthambisa iinyawo zikaYesu
(UMat. 26:6-13)

1UYesu ngoko, kwiintsuku ezintandathu eziphambi kwayo ipasika, weza eBhetani, apho ebekhona uLazaro owayefile, awamvusayo kwabafileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ngoko bamenzela isidlo khona, waye uMarta elungiselela; uLazaro ke ebengomnye
wabo babehleli naye besidla.

3Wathabatha ke uMariya iponti yamafutha aqholiweyo enadusi
engangxengelelweyo, exabiso likhulu; wathambisa iinyawo zikaYesu, wazisula
iinyawo zakhe ngeenwele zakhe; yazala ke indlu livumba lamafutha lawo
aqholiweyo.

4Uthi ngoko omnye umfundi wakhe, uYuda Sikariyoti, okaSimon, lowo ubeza
kumngcatsha,

5Bekungani na ukuba la mafutha aqholiweyo angàthengiswa ngeedenariyo
ezimakhulu mathathu, kuphiwe amahlwempu?

6Watsho ke, kungengakuba ebekhathalele mahlwempu; watsho kuba ebelisela, inaye
ingxowa, ziphathwa nguye izinto ezifakwa kuyo.

7Uthe ngoko uYesu, Myeke; uwalondolozele imini yokungcwatywa kwam.

8Kuba amahlwempu la nihleli ninawo; mna ke anihleli ninam.

9Yathi ngoko indimbane enkulu yakumaYuda yakwázi ukuba ulapho; yeza
kungengenxa kaYesu yedwa, yeza ukuze ibone noLazaro, lowo wamvusayo
kwabafileyo.

10Ke kaloku ababingeleli abakhulu babhunga ukuze bambulale noLazaro;

11ngokuba ngenxa yakhe abaninzi bamaYuda bemka, bakholwa kuye uYesu.

UYesu ungena eYerusalem ekhwele iesile

(UMat. 21:1-11)

12Ngengomso indimbane enkulu, eyabe ize emthendelekweni, yakuva ukuba uYesu
uyeza eYerusalem,

13yathabatha amasebe esundu, yaphuma, yaya kumhlangabeza; yadanduluka isithi,
Hosana! makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi, uKumkani kaSirayeli!

14UYesu, efumene ke iesilana, wahlala phezu kwalo, njengokuba
kubhaliwe kwathiwa,

15Musa ukoyika, ntombi Ziyon; nanko ukumkani wakho esiza, ehleli phezu kwethole
le-esile.

16Ezi zinto ke abaziqondanga abafundi bakhe ukuqala; bathi kodwa, akuba ezukisiwe
uYesu, bandula ukukhumbula ukuba ezi zinto zaye zibhaliwe ngaye, nokuba bázenza
ezi zinto kuye.

17Yaye ingqina ngoko indimbane leyo, ibe inaye oko wambizayo uLazaro ukuba
aphume engcwabeni, wamvusa kwabafileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ngenxa yoko indimbane yamhlangabeza; ngokuba yayivile ukuba uwenzile lo mqondiso.

19Bathe ngoko abaFarisi phakathi kwabo, Niyabona na kodwa ukuba anincedi lutho? Yabonani, ulandelwa lilizwe lonke.

AmaGrike afuna ukumbona uYesu. Ilizwi elivela phezulu

20Ke kaloku, kwakukho amaGrike athile kwababenyukile, beze kunqula emthendelekweni.

21Wona ngoko eza kuFilipu waseBhetesayida yelaseGalili, acela kuye, esithi, Nkosi, singa singabona uYesu.

22Ufika uFilipu axelele uAndreya; bathi kanjalo ooAndreya noFilipu baxelele uYesu.

23Wabaphendula ke uYesu esithi, Lifikile ilixa lokuba uNyana woMntu azukiswe.

24Inene, inene, ndithi kuni, Ukuba ukhozo lwengqolowa oluwe emhlabeni aluthanga lufe, lona luhlala lungabi nto; ke ukuba luthe lwafa, luthwala isiqhamo esininzi.

25Lowo uwuthandayo umphefumlo wakhe, wolahlekelwa nguwo; lowo uwuthiyayo umphefumlo wakhe kweli hlabathi, wowulondolozela ubomi obungunaphakade.

26Ukuba ubani uthi andikhonze, makandilandele; apho ndikhona mna, woba khona apho nondikhonzayo; ukuba umntu uthi andikhonze, uBawo wombeka.

27Kukalokunje umphefumlo wam ukhathazekile, mandithini na? Bawo, ndisindise kweli lixa. Hayi, ndizele khona oku kweli lixa.

28Bawo, lizukise igama lakho. Kweza ngoko izwi liphuma ezulwini, lisithi, Ndilizukisile, ndiya kubuya ndilizukise.

29Isihlwele ngoko esasimi seva, sathi, Liyaduduma. Abanye bathi, Kuthethe isithunywa sezulu kuye.

30Waphendula uYesu wathi, Eli lizwi alibangakho ngenxa yam; libekho ngenxa yenu.

31Kungoku ukugwetywa kwalo eli hlabathi; kungoku umphathi walo eli hlabathi aya kukhutshelwa phandle.

32Mna ke, ukuba ndithe ndaphakanyiswa emhlabeni, ndiya kubatsalela bonke kum.

33(Wayesitsho ke, eqondisa ukuba kukufa kuni na abeza kufa ngako.)

34Samphendula isihlwele sathi, Thina sivile emthethweni, ukuba uKristu yena uhlala ngonaphakade; ùtsho ngani na wena ukuthi, UNyana woMntu umelwe kukuthi aphakanyiswe? Úngubani na lo Nyana woMntu?

35Uthe ngoko uYesu kubo, Liselilifutshane ixesha lokuba ukhanyiso lube nani. Hambani, nisenalo nje ukhanyiso, ukuze ubumnyama bunganiqubuli; lowo uhamba ebumnyameni, akazi apho aya khona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Nisenalo nje ukhanyiso, kholwani kulo ukhanyiso, ukuze nibe ngabokhanyiso. Wazithetha uYesu ezi zinto, wemka, wabazimela.

Ukungakholwa kwamaYuda

37Ke kaloku, nakuba wayenze imiqondiso engaka phambi kwabo, abakholwanga kuye;

38ukuze ilizwi likaIsaya umprofeti lizaliseke, awalithethayo esithi, Nkosi, ngubani na okholiweyo ludaba lwethu? Nengalo yeNkosi ityhileke kubani na? (UIsaya 53:1)

39Ngenxa yoku babengenako ukukholwa, ngokuba uIsaya ubuya athi,

40Úwamfamekisile amehlo abo, Uyiqaqadekisile nentliziyo yabo, Hleze babone ngamehlo, baqiqe ngentliziyo, Bajike, Ndibaphilise. (UIsaya 6:9,10)

41Ezi zinto wazithetha uIsaya, oko wabubonayo ubuqaqawuli bakhe, wathetha ngaye.

42Noko ke nakubo abaphathi into eninzi yakholwa kuye; kodwa ngenxa yabaFarisi yayingavumi ngamlomo, hleze ikhutshwe esikhungwini;

43kuba babethanda uzuko oluvela ebantwini, ngaphezu kozuko oluvela kuThixo.

Ukugweba kwelizwi likaYesu

44Ke yena uYesu wadanduluka wathi, Lowo ukholwayo kum, akakholwa kum, ukholwa kulowo wandithumayo.

45Lowo undibonayo, ubona owandithumayo.

46Mna, lukhanyiso, ndifikile ehlabathini, ukuze bonke abakholwayo kum bangahlali ebumnyameni.

47Nokuba umntu uthe weva amazwi la am, àkakholwa, mna andimgwebi; kuba andize kuligweba ihlabathi, ndizé kulisindisa ihlabathi.

48Lowo undigibayo, angawamkeli amazwi am, unaye omgwebayo; ilizwi endilithethileyo, lilo eliya kumgweba ngomhla wokugqibela.

49Ngokuba mna andithethanga okuphuma kum; owandithumayo, uBawo ngokwakhe, nguye owandiwisela umthetho wokuba ndithini na, nokuba ndithethe ntoni na.

50Ndiyazi nokwazi ukuba umthetho wakhe lowo bubomi obungunaphakade. Ngoko izinto endizithethayo mna, njengoko uBawo andixeleleyo, ndenjenjalo ukuzithetha.

UYohane 13

UYesu uhlamba iinyawo zabafundi

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku, phambi komthendeleko wepasika, esazi uYesu ukuba lifikile ilixa lokuba anduluke kweli hlabathi, aye kuYise, ebathandile abakhe abasehlabathini, wabathanda kwada kwasekupheleni.

2Kwakubakho isidlo sangokuhlwa (akubon' ukuba uMtyholi selekufakile entliziyweni kaYuda Sikariyoti, okaSimon, ukuba amngcatshe),

3esazi uYesu ukuba uYise uzinikele zonke izinto ezandleni zakhe, nokuba waphuma kuThixo, esiya kuThixo:

4usuka esidlweni, azibeke phantsi iingubo zakhe, athabathe itawuli abhinqe;

5aze agalele amanzi esityeni sokuhlambela, aqale ukuzihlamba iinyawo zabafundi, nokuzisula ngetawuli abeyibhinqile.

6Uza ke kuSimon Petros; athi yena kuye, Nkosi, zihlánjwe nguwe na iinyawo zam?

7Waphendula uYesu, wathi kuye, Endikwenzayo mna akukwazi wena okwangoku; kodwa wokuqonda kamva.

8Athi uPetros kuye, Akusayi kuzihlamba iinyawo zam, naphakade. Umphendule uYesu, wathi, Ukuba andithanga ndikuhlambe, akunasabelo nam.

9Athi uSimon Petros kuye, Nkosi, mazingabi ziinyawo zam zodwa, mazibe zizandla nentloko.

10Uthi uYesu kuye, Kulowo uhlanjiweyo akusafuneki nto, selikukuhlanjwa kweenyawo zodwa; úhlambulukile kwaphela; nani ke nihlambulukile, kodwa aninjalo nonke.

11Kuba ebemazi lowo umnikelayo; ngenxa yoko wathi, Anihlambulukile nonke.

12Ngoko, xeshikweni ebezihlambile iinyawo zabo, wazithabatha iingubo zakhe, wabuya wahlala phantsi, wathi kubo, Niyayazi na into endiyenzileyo kuni?

13Nina ukundibiza nithi ndinguMfundisi, nithi ndiyiNkosi; niyalungisa ukutsho, kuba kunjalo.

14Ngoko ke, ukuba ndizihlambile iinyawo zenu mna, ndíyiNkosi, ndínguMfundisi, nani nifanele ukuhlambana iinyawo.

15Kuba ndininike umzekelo, ukuze nani nenze, njengoko ndenzé ngako mna kuni.

16Inene, inene, ndithi kuni, Akukho mkhonzi umkhulu kunenkosi yakhe, namthunywa umkhulu kunalowo umthumileyo.

17Ukuba niyazazi ezi zinto, ninoyolo ukuba nithi nizenze.

18Andithethi ngani nonke; ndiyabazi abo mna ndibanyulileyo; oko kwenzeke ukuze isibhalo sizaliseke, esithi, Lowo udla isonka nam, undiphakamisele isithende sakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Ndiqala kwangoku ukunixelela kungekehli, ukuze, xa kuthe kwehla, nikholwe ukuba
ndinguye.

20Inene, inene, ndithi kuni, Lowo wamkela endithe ndamthuma, wamkela mna; lowo
wamkela mna ke, wamkela owandithumayo.

UYesu walatha umngcatshi wakhe
(UMat. 26:21-25)

21Ezithethile uYesu ezi zinto, wakhathazeka emoyeni wakhe, wangqina wathi, Inene,
inene, ndithi kuni, omnye kuni aba uya kundingcatsha.

22Baye ngoko abafundi bekhangelana, bethingaza ukuba uthetha bani na.

23Ke kaloku, bekwayame esifubeni sikaYesu omnye umfundi wakhe, obethandwa
nguYesu.

24Unqwala ngoko uSimon Petros kulowo, ukuba abuze ukuba angaba uthetha bani
na.

25Àyamile ke yena esifubeni sikaYesu, uthi kuye, Nkosi, nguwuphi na?

26Uphendule uYesu wathi, Ngulowo ndiya kumnika mna iqhekeza, ndakuba ndilithe
nkxu. Akulithi nkxu iqhekeza, walinika uYuda Sikariyoti, okaSimon.

27Waza emveni kweqhekeza elo, wangena uSathana kuye lowo. Uthi ngoko uYesu
kuye, Okwenzayo, kwenze kamsinya.

28Ke kaloku, bekungekho namnye, kwababehleli naye esithebeni, ubesazi ukuba
utsho ngani na kuye.

29Kuba abathile, ekubeni ingxowa ibikuYuda, bebeba uYesu uthi kuye, Thenga ezo
zinto sizifunela umthendeleko; mhlawumbi uthi makawanike into amahlwempu.

30Elithabathile ngoko yena iqhekeza, waphuma kwaoko; kwaye ke kusebusuku.

Imfundiso yokugqibela kaYesu kubafundi bakhe: Isizathu sokumka kwakhe

31Xeshikweni ngoko aphumileyo, uthi uYesu, Kukalokunje, uNyana woMntu
uzukisiwe, naye uThixo uzukisiwe kuye.

32Ukuba ke uThixo uzukisiwe kuye, noThixo uya kumzukisa kuye ngokwakhe, waye
eya kumzukisa kwangoku.

33Bantwana bam, liselilifutshane ixesha lokuba ndibe nani. Niya kundifuna; njengoko
sendithe kumaYuda, Apho ndiya khona mna, aninako ukufika nina: nditsho nakuni
ngoku.

34Ndiniwisela umthetho omtsha, wokuba nithandane, njengoko ndinithandileyo
nina, ukuze nani nithandane.

35Ngayo le nto baya kwazi bonke, ukuba ningabafundi bam, ukuba nithe nathandana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Wathi uSimon Petros kuye, Nkosi, ùya ngaphi na wena? Umphendule uYesu wathi, Apho ndiya khona, akunakundilandela kalokunje; wondilandela ke kamva.

37Uthi uPetros kuye, Nkosi, kungani na ukuba ndingabi nako ukukulandela ngoku? Ndiya kuwuncamela wena umphefumlo wam.

38Wamphendula uYesu wathi, Wowuncamela mna na umphefumlo wakho? Inene, inene, ndithi kuwe, Ayisayi kulila inkuku, ungathanga undikhanyele kathathu.

UYohane 14

1Intliziyo yenu mayingakhathazeki; kholwani kuThixo, nikholwe nakum.

2Endlwini kaBawo zininzi iindawo zokuhlala; ukuba bekungenjalo, ngendanixelelayo. Ndiyemka, ndiya kunilungisela indawo;

3ukuba ke ndimkile ndaya kunilungisela indawo, ndiya kubuya ndize, ndinamkelele kum ngokwam; ukuze apho ndikhona mna, nibe khona nani.

4Apho ke ndiya khona mna niyakwazi, nendlela niyayazi.

5Uthi uTomas kuye, Nkosi, asazi apho uya khona; singáthini na ke ukuyazi indlela?

6Uthi uYesu kuye, Ndim indlela, ndim inyaniso, ndimubomi; akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam.

7Ukuba benindazile mna, ninge nimazile noBawo; ngoku ke niyamazi, nimbonile nokumbona.

8Athi uFilipu kuye, Nkosi, sibonise uYihlo, kosanelisa.

9Uthi uYesu kuye, Ndinaxesha lingakanana ndinani nje, akukandazi na, Filipu? Lowo undibonileyo mna umbonile uBawo; ùtsho ngani na ke wena ukuthi, Sibonise uYihlo?

10Akukholwa na ukuba mna ndikuye uBawo, abe ke uBawo ekum? Amazwi endiwathethayo mna kuni, andiwathethi ephuma kum; uBawo ke ohleli kum, nguye oyenzayo imisebenzi le.

11Kholwani ndim, ukuba mna ndikuye uBawo, nokuba uBawo ukum; okanye ke, kholwani ndim ngenxa yayo imisebenzi leyo.

12Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ukholwayo kum, imisebenzi endiyenzayo mna, uya kuyenza naye yena; nemikhulu kunale uya kuyenza, ngokuba mna ndisiya kuye uBawo.

13Nento enithe nayicela egameni lam, ndoyenza yona, ukuze uYise azukiswe ngoNyana.

14Ukuba nithe nacela into ngegama lam, ndoyenza mna.

Idinga lokuza kukaMthetheleli

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ukuba niyandithanda, yigcineni imithetho yam.

16Mna ndiya kucela kuBawo, aze aninike omnye uMthetheleli, ukuze ahlale nani ngonaphakade:

17uMoya wenyaniso, lowo lingenako ihlabathi ukumamkela, ngokuba lingamboni, lingamazi nokumazi. Nina ke niyamazi; ngokuba uhleli nani, kanjalo uya kuba kuni.

18Andiyi kunishiya niziinkedama, ndiyeza kuni.

19Liselilifutshane ixesha, ukuze ihlabathi lingabi sandibona; ke nina niyandibona; ngokuba ndisidla ubomi mna, nani niya kudla ubomi.

20Ngaloo mini niya kwazi nina ukuba ndikuye uBawo, nani nikum, nam ndikuni.

21Lowo unayo imithetho yam ayigcine, nguye ondithandayo; lowo ke undithandayo, uya kuthandwa nguBawo; nam ndiya kumthanda, ndizibonakalalise kuye.

22Athi kuye uYuda (ingenguye uSikariyoti), Nkosi, kutheni na, le nto uza kuzibonakalalisa kuthi, ungazibonakalalisi kulo ihlabathi?

23Waphendula uYesu wathi kuye, Ukuba umntu uyandithanda, woligcina ilizwi lam; wothi uBawo amthande, size kuye, sihlale naye.

24Lowo ungandithandiyo akawagcini amazwi am; ilizwi enilivayo asililo elam, lelikaBawo owandithumayo.

25Ezi zinto ndizithethile kuni ndisahleli nani.

26Ke uMthetheleli, uMoya oyiNgcwele, aya kumthuma uBawo egameni lam, yena uya kunifundisa zonke izinto, anikhumbuze zonke izinto endizithethe kuni.

27Ndishiya uxolo kuni; ndininika uxolo lwam; andinininiki njengokunika kwehlabathi. Mayingakhathazeki intliziyo yenu, mayingabi nabugwala.

28Nivile ukuba ndithe mna kuni, Ndiyemka, ndibuye ndize kuni. Ukuba benindithanda, ngenavuyayo kuba ndathi, Ndiya kuBawo; ngokuba uBawo mkhulu kunam.

29Ngoku ke ndinixelele kungekehli, ukuze, xa kuthe kwehla, nikholwe.

30Andisayi kuba sathetha zinto zininzi nani; kuba esiza umphathi weli hlabathi, engenanto nam.

31Ke, ukuze liqonde ihlabathi ukuba ndiyamthanda uBawo, ndenza njengoko uBawo andiwisele umthetho. Vukani, simke apha.

UYohane 15

Umzekeliso womdiliya wenyaniso. Abafundi baya kuthiywa lihlabathi

1Mna ndingumdiliya wenyaniso, umlimi wawo ke nguBawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Amasebe onke akum angathwali siqhamo, uyawasusa; onke athwala isiqhamo uyawathena, ukuze athwale isiqhamo ngakumbi.

3Nina nisenihlambulukile, ngenxa yelizwi endilithethileyo kuni.

4Hlalani kum, mna ndihlale kuni. Njengokuba isebe lingenako ukuthwala isiqhamo ngokwalo, lingahlalanga emdiliyeni, ngokunjalo aninako nani, ningahlalanga kum.

5Umdiliya ndim, nina ningamasebe; lowo uhleli kum, ndibe mna ndihleli kuye, yena uthwala isiqhamo esininzi; ngokuba, ningekum, aninakwenza nto.

6Ukuba umntu uthe akahlala kum, ulahlelwa phandle njengesebe, ome; baze abantu bawabuthe, bawaphose emlilweni, atshiswe.

7Ukuba nithe nahlala kum, namazwi am ahlala kuni, nocela into enisukuba niyithanda, niyenzelwe.

8Uzukiswa uBawo ngale nto, yokuba nithwale isiqhamo esininzi; niya kuba ngabam abafundi ke.

9Njengoko uBawo wandithandayo, nam ndanithanda; hlalani ke eluthandweni lwam.

10Ukuba nithi niyigcine imithetho yam, hlalani eluthandweni lwam; njengokuba mna ndayigcinayo imithetho kaBawo, ndahlala eluthandweni lwakhe.

11Ezi zinto ndizithethile kuni, ukuze uvuyo lwam luhlale kuni, luthi novuyo lwenu luzaliseke.

12Nguwo lo umthetho wam, wokuba nithandane, njengoko ndanithandayo nina.

13Akukho namnye unalo uthando olungaphezu kolu, lokuba ubomi bakhe abuncamele izihlobo zakhe.

14Nizizihlobo zam nina, ukuba nithi nikwenze konke endinimisela khona mna.

15Andisatsho ukuthi ningabakhonzi; ngokuba umkhonzi akakwazi okwenziwa yinkosi yakhe; mna ke ndithe nizizihlobo; ngokuba zonke izinto endaziva kuBawo, ndanazisa zona.

16Asinini enanyula mna; ndim owanyula nina, ndanimisela, ukuze niye nithwale isiqhamo, nokuze isiqhamo senu sihlale; ukuze oko enithe nakucela kuBawo egameni lam, nikunikwe.

17Ndiniwisela lo mthetho wokuba nithandane.

18Ukuba ihlabathi linithiyile, yazini ukuba lindithiyé kuqala kunani.

19Ukuba beningabehlabathi, ihlabathi linge likuthanda okwalo; ke ngokuba ningengabehlabathi, ndaninyulayo mna kulo ihlabathi, ngenxa yoko linithiyile ihlabathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Likhumbuleni ilizwi endalithethayo mna kuni, elithi, Akukho mkhonzi umkhulu
kunenkosi yakhe. Ukuba bánditshutshisa mna, bonitshutshisa nani; ukuba ilizwi lam
báligcina, nelenu boligcina.

21Ke ezi zinto zonke baya kuzenza kuni ngenxa yegama lam, ngokuba bengamazi
owandithumayo.

22Ukuba bendingezanga ndathetha kubo, ngebengabanga nasono; ngoku
abanasikhuselo sesono sabo.

23Lowo uthiye mna, uthiye noBawo.

24Ukuba bendingenzanga phakathi kwabo imisebenzi engenziwanga mntu wumbi,
ngebengabanga nasono; kaloku ke babonile; noko bandithiyile mna noBawo.

25Kwenzeké ukuze lizaliseke ilizwi elibhaliweyo emthethweni wabo, elithi, Bandithiya
kungekho sizathu.

26Kodwa xa athe wafika uMthetheleli, endiya kumthuma mna kuni evela kuBawo,
uMoya wenyaniso ophuma kuBawo, yena wongqina ngam.

27Nani ke niyangqina, ngokuba beninam kwasekuqaleni.

UYohane 16

Umsebenzi kaMthetheleli nokubuya kukaYesu

1Ezi zinto ndizithethile kuni, ukuze ningakhutyekiswa.

2Baya kunigxotha esikhungwini; ewe, kuza ilixa lokuba bonke abanibulalayo, babe
bona bakhonza uThixo.

3Ezo zinto baya kuzenza kuni, ngokuba bengamazanga uBawo kwanam.

4Ezi zinto ndizithethile kuni, ukuze, xa lithe lafika ilixa, nizikhumbule ukuba mna
ndandinixelele. Ezi zinto ke andinixelelanga kwasekuqaleni, ngokuba bendinani.

5Ngoku ke ndiyemka, ndiya kowandithumayo; akukho namnye kuni undibuzayo, athi,
Ùya phi na?

6Ngokuba ke ezi zinto ndizithethile kuni, iintlungu ziyizalisile intliziyo yenu.

7Noko ke mna ndinixelela inyaniso; kunilungele ukuba ndimke; kuba, ndingemkanga,
uMthetheleli akayi kuza kuni; ke, ndíthe ndemka, ndiya kumthumela kuni.

8Efikile ke, uya kulohlwaya ihlabathi lidane, ngenxa yesono, nangenxa yobulungisa,
nangenxa yomgwebo;

9ngenxa yesono, ngokokuba bengakholwa kum;

10ngenxa yobulungisa, ngokokuba ndisiya kuBawo, ize ningabi sandibona;

11ngenxa yomgwebo, ngokokuba umphathi weli hlabathi egwetyiwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ndisenezinto ezininzi zokuthetha kuni, kodwa aninako ukuzithwala ngoku.

13Xa ke athe wafika yena uMoya wenyaniso, uya kunikhokelela kuyo yonke inyaniso; kuba engayi kuthetha okuphuma kuye, uya kuthetha izinto athe waziva, anibikele izinto ezizayo.

14Yena uya kundizukisa; ngokuba eya kwamkela kokukokwam, aze anibikele ke.

15Zonke ezo zinto anazo uBawo zezam; ngenxa yoko ndathi, úya kwamkela kokukokwam, aze anibikele.

16Selilixesha elifutshane, ize ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nibuye nindibone, ngokuba mna ndiya kuBawo.

17Ithe ngoko inxenye yakubafundi bakhe phakathi kwayo, Yintoni na le ayithethayo kuthi, athi, Liselilixesha elifutshane, nibuye ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nize nindibone; nokuthi, Mna ndiya kuBawo?

18Babesithi ngoko, Yintoni na le ayithethayo, athi, Lixesha elifutshane? Asiyazi into ayithethayo.

19Wazi ngoko uYesu ukuba babethanda ukumbuza, wathi kubo, Nibuzana ngale nto na, yokuba ndithe, Selilixesha elifutshane, nize ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nibuye nindibone?

20Inene, inene, ndithi kuni, niya kulila nihlahlambe, ke lona ihlabathi liya kuvuya; niya kuxhalaba nina, ke ukuxhalaba kwenu kuya kuba luvuyo.

21Umfazi xa aza kuzala, uyaxhalaba, ngokuba ilixa lakhe lifikile; xa athe ke wazala umntwana, akabi sayikhumbula loo mbandezelo, ngenxa yovuyo lokuba kuzelwe umntu ehlabathini.

22Nani ke ngoko nixhalabile ngokunje; kodwa ndobuya ndinibone; yaye iya kuvuya intliziyo yenu, novuyo lwenu akukho namnye uya kuluhlutha kuni.

23Nangaloo mini aniyi kundibuza nto. Inene, inene, ndithi kuni, Zonke izinto enithe nazicela kuBawo egameni lam, woninika.

24Kude kwaba ngokunje, anikaceli nto egameni lam; celani, niya kwamkela, ukuze uvuyo lwenu luzaliseke.

25Ezi zinto ndizithethile kuni ngokuntsonkotha; kuza ilixa endingasayi kuba sathetha kuni ngokuntsonkotha; ndiya kunibikela ngokusekuhleni ngaye uBawo.

26Ngaloo mini niya kucela egameni lam; anditsho kuni ukuthi, ndiya kunicelela kuBawo;

27kuba uBawo ngokwakhe uyanithanda; ngokuba nina nindithandile, nakholwa ukuba mna ndaphuma kuThixo.

28Ndaphuma kuBawo, ndeza ehlabathini; ndibuya ndilishiye ihlabathi, ndiye kuBawo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

29Bathi kuye abafundi bakhe, Uyabona, ngoku uthetha ngokusekuhleni, akuthethi nto ngakuntsonkotha.

30Ngoku siyazi, ukuba uyazazi zonke izinto, akusafuneki kuwe ukuba ubani akubuze nto; ngaloo nto siyakholwa ukuba waphuma kuThixo.

31Wabaphendula uYesu wathi, Niyakholwa na ngoku?

32Yabonani, kuza ilixa, nakaloku lifikile, lokuba nichithwe, elowo aye kowabo, nindishiye ndedwa; ukanti andindedwa, ngokuba uBawo unam.

33Ezi zinto ndizithethile kuni, ukuze nibe noxolo kum. Ehlabathini niya kuba nembandezelo; yomelelani, mna ndiloyisile ihlabathi.

UYohane 17

UYesu uthandazela abafundi bakhe

1Ezi zinto wazithetha uYesu, wawaphakamisa amehlo akhe wakhangelaezulwini, wathi, Bawo, lifikile ilixa; mzukise uNyana wakho, ukuze noNyana wakho akuzukise;

2njengokuba wamnika igunya kubantu bonke, ukuze bonke omnike bona, abanike ubomi obungunaphakade.

3Bubo ke obu ubomi obungunaphakade, ukuba mabakwazi, wena ukuphela koThixo oyinyaniso, naye uYesu Kristu omthumileyo.

4Mna ndikuzukisile emhlabeni, ndiwufezile umsebenzi obundinikile ukuba ndiwenze.

5Ndízukise ke ngoku, wena Bawo, kuwe ngokwakho, ngozuko ebendinalo kuwe, lingekabikho ihlabathi.

6Ndilibonakalisile igama lakho kubo abantu obundinike bona, bephuma ehlabathini; babengabakho, wabanika mna; ilizwi lakho balibambile ke.

7Ngoku baqondile, ukuba zonke izinto ondinike zona zivela kuwe.

8Ngokuba amazwi ondinike wona, ndiwaniké bona; bona bawathabatha, baqonda ngokwenyaniso ukuba ndaphuma kuwe; bakholwa ukuba wena wandithuma.

9Mna ndicelela bona; andiceleli lona ihlabathi, ndicelela abo undinike bona; ngokuba bengabakho.

10Izinto zonke ezizezam zezakho, zibe ezakho zizezam; ndizukisekile ke kubo.

11Andisekhona ehlabathini, ke bona basesehlabathini; mna ndiza kuwe. Bawo oyingcwele, bálondolozele egameni lakho abo undinike bona, ukuze babe banye njengathi.

12Oko bendinabo ehlabathini mna, bendibalondolozele egameni lakho; owandinika bona ndibagcinile; akukho namnye kubo utshabaleleyo, ingenguye lowo wentshabalalo, ukuze isibhalo sizaliseke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ngoku ke ndiza kuwe; nezi zinto ndizithetha ehlabathini, ukuze babe nalo uvuyo
lwam lúzalisekile kubo.

14Mna ndibaniké ilizwi lakho; laza ihlabathi labathiya, ngokuba bengengabo
abehlabathi, njengokuba nam ndingenguye owehlabathi.

15Andiceli ukuba ubasuse ehlabathini; ndicela ukuba ubagcine kuyo inkohlakalo.

16Àbangabo abehlabathi, njengokuba nam ndingenguye owehlabathi.

17Bangcwalise ngayo inyaniso yakho; ilizwi lakho liyinyaniso.

18Njengokuba wandithuma ehlabathini, nam ndibathume bona ehlabathini.

19Ngenxa yabo ke ndiyazingcwalisa mna, ukuze nabo babe ngabangcwalisiweyo
yinyaniso.

20Andiceleli ke aba bodwa, ndicelela nabo baya kukholwa kum ngelizwi labo; ukuze
bonke babe banye;

21njengokuba wena, Bawo, ukum, mna ndikuwe, ukuze nabo babe banye kuthi;
ukuze ihlabathi likholwe ukuba wena wandithuma.

22Uzuko owandinika lona, ndilunike bona; ukuze babe banye, njengokuba thina
sibanye;

23mna ndikubo, wena ukum, ukuze babe ngabazalisekileyo ntweninye; ukuze liqonde
ihlabathi ukuba wena undithumile, wabathanda, njengokuba wandithandayo nam.

24Bawo, ndithanda ukuba nabo abo undiniké bona, babe nam, apho ndikhona mna;
ukuze balubone uzuko lwam owandinika lona; ngokuba wandithanda kwaphambi
kokusekwa kwehlabathi.

25Bawo olilungisa, ihlabathi lona alikwazanga, ke mna ndikwazile; naba bathe bazi
ukuba wena undithumile;

26ndabazísa igama lakho, ndandiya kubazísa; ukuze uthando ondithande ngalo lube
kubo, nam ndibe kubo.

UYohane 18

UYesu uyabanjwa
(UMat. 26:36,47-56)

1Akuzithetha uYesu ezi zinto, waphuma nabafundi bakhe, waya phesheya
komlanjana oyiKidron, apho kwakukho umyezo, awangena kuwo yena nabafundi
bakhe.

2NoYuda ke, lowo umngcatshayo, ubeyazi indawo leyo; kuba uYesu ubesakubutha
futhi khona apho nabafundi bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Athi ngoko uYuda, ethabathe ibutho lamasoldati namadindala kubabingeleli abakhulu nabaFarisi, eze khona enezikhanyiso nezibane neentonga.

4Ezazi ngoko uYesu zonke izinto ezimzelayo, waphuma, wathi kubo, Nifuna bani na?

5Bamphendula bathi, UYesu umNazarete. Athi kubo uYesu, Ndinguye. Wabemi ke nabo uYuda, lowo umngcatshayo.

6Akutsho ngoko kubo ukuthi, Ndinguye, bahlehla, bawa emhlabeni.

7Wabuya ke wababuza esithi, Nifuna bani na? Bathi ke bona, UYesu umNazarete.

8Waphendula uYesu wathi, Ndinixelele ukuba ndinguye; ukuba ngoko nifuna mna, bayekeni aba bemke;

9ukuze lizaliseke ilizwi awalithethayo elithi, Kwabo undinike bona, andilahlekwanga namnye.

10Uthe ngoko uSimon Petros, enekrele, walirhola, wamxabela umkhonzi wombingeleli omkhulu, wamnqamla indlebe yokunene; laye igama lomkhonzi lowo linguMalko.

11Uthe ngoko uYesu kuPetros, Lifake ikrele lakho esingxotyeni salo; indebe andinikileyo uBawo andisayi kuyisela na?

UYesu phambi kombingeleli omkhulu. UPetros uyamkhanyela

(UMat. 26:57-75)

12Ibutho ngoko lamasoldati, nomthetheli-waka, namadindala amaYuda, bambamba uYesu,

13bambopha, bamrholela kuAnas kuqala; kuba wayengusomfazi kuKayafa, obengumbingeleli omkhulu ngaloo mnyaka.

14Ke kaloku uKayafa wayengulowo wabhunga namaYuda ngokuthi, Kuyinto elungileyo, ukuba umntu omnye atshabalale ngenxa yabantu.

15Ke kaloku uSimon Petros wayemlandela uYesu, naye omnye umfundi. Loo mfundi ke wayesazeka kumbingeleli omkhulu, wangena noYesu entendelezweni yombingeleli omkhulu.

16UPetros ke ubemi ngasesangweni ngaphandle. Waphuma ke omnye umfundi, lowo ubesazeka kumbingeleli omkhulu, wathetha nomgcini-sango, wamngenisa uPetros.

17Sithi ngoko isicakazana esingumgcini-sango kuPetros, Ingaba nawe ungowabafundi balo mntu yini na?

18Athi yena, Andinguye. Ke kaloku kwakumi khona abakhonzi namadindala bebàse umlilo wamalahle, ngokuba bekubanda; bamana besotha, waye ke uPetros emi nabo esotha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Umbingeleli omkhulu ngoko wambuza uYesu ngabafundi bakhe, nangayo imfundiso yakhe.

20Wamphendula uYesu wathi, Mna ndathetha ngokungafihlisiyo kulo ihlabathi; mna bendihleli ndifundisa endlwini yesikhungu nasetempileni, apho amaYuda ebesakubuthelana khona, evela kumacala onke; emfihlekweni andithethanga nto.

21Yini na ukuba ubuze kum? Buza kwabo bayivileyo into endayithetha kubo; uyabona, aba bayakwazi oko ndakuthethayo.

22Ke kaloku, akubon' ukuba utshilo, elinye lamadindala, elalimi khona, lammonxoza uYesu, lathi, Wènjenje na ukumphendula umbingeleli omkhulu?

23Waliphendula uYesu wathi, Ukuba ndithethé kakubi, ngqinela ububi obo; kodwa ukuba ndithethé kakuhle, undibethelani na?

24UAnas wamthumela ebotshiwe kuKayafa umbingeleli omkhulu.

25Ke kaloku uSimon Petros wayemi esotha; bathi ngoko kuye, Ingaba nawe ungowabafundi bakhe yini na? Wakhanyela yena wathi, Andinguye.

26Athi omnye umkhonzi wombingeleli omkhulu, osisalamane salowo uPetros wamnqamla indlebe, Andikubonanga mna yini na emyezweni unaye?

27Wabuya ke wakhanyela uPetros. Yasuka yalila kwaoko inkuku.

UYesu phambi koPilato

(UMat. 27:1,2,11-31)

28Bamsusa ngoko uYesu kuKayafa, bamsa kwindlu yerhuluneli; bekukusasa ke oko; bona abangenanga endlwini yerhuluneli, ukuze bangadyobheki, ukuze bayidle ipasika.

29Waphuma ke uPilato waya kubo, wathi, Nimisa tyala lini na kuye lo mntu?

30Baphendula bathi kuye, Ukuba ebengenguye umenzi wobubi yena, singe singamnikelanga kuwe.

31Wathi ngoko uPilato kubo, Mthabatheni nina, nimgwebe ngesiko lenu. Athi ngoko amaYuda kuye, Akuvumelekile kuthi ukuba sibulale umntu;

32ukuze ilizwi likaYesu lizaliseke awalithethayo, eqondisa ukuba kukufa kuni na abeza kufa ngako.

33Wabuya ngoko wangena uPilato endlwini yerhuluneli, wambiza uYesu, wathi kuye, Wena unguye na uKumkani wamaYuda?

34Umphendule uYesu, wathi, Uyithetha le nto iphuma kuwe, wayixelelwa ngabanye ngam, sini na?

35Waphendula uPilato wathi, Kanene, mna ndingumYuda na? Luhlanga lwakowenu nababingeleli abakhulu abakunikeleyo kum; wenzé ntoni na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Waphendula uYesu wathi, Ubukumkani bam asibubo obeli hlabathi; ukuba bebububo obeli hlabathi ubukumkani bam, amakhonza am ange ezama, ukuze ndinganikelwa kumaYuda; ngoku ke ubukumkani bam asibobalapha.

37Wathi ke uPilato kuye, Hina ke, ungukumkani na wena? Waphendula uYesu wathi, Nawe uthi ndingukumkani. Mna ndizalelwe oku; ndizele oku ehlabathini, ukuze ndiyingqinele inyaniso. Bonke abangabenyaniso bayaliva ilizwi lam.

38Athi uPilato kuye, Yintoni na yona inyaniso? Akuba etshilo, wabuya waphuma waya kumaYuda, athi kuwo, Mna andifumani nalinye ityala kuye.

39Ke kaloku ninesiko lokuba ndinikhululele abe mnye ngepasika; ninga ke ndinganikhululela uKumkani wamaYuda na?

40Babuya ngoko bonke bankqangaza, besithi, Mayingabi ngulo, mayibe nguBharabhas. Waye ke uBharabhas lo esisihange.

UYohane 19

1Waza ngoko uPilato wamthabatha uYesu, wamtyakatya.

2Amasoldati, eluke isithsaba ngameva, asibeka phezu kwentloko yakhe, amthi wambu ngengubo ebomvu,

3amana esithi, Aa! Kumkani wamaYuda! ammonxoza.

4Wabuya ngoko waphuma phandle uPilato; athi kubo, Yabonani, ndimzisa phandle kuni, ukuze nazi ukuba andifumani nalinye ityala kuye.

5Waphuma phandle ngoko uYesu, enxibe isithsaba sameva nengubo ebomvu; athi uPilato kubo, Nanko umntu.

6Bathe ngoko, bakumbona ababingeleli abakhulu namadindala, bankqangaza, besithi, Mbethelele emnqamlezweni! Mbethelele emnqamlezweni! Athi kubo uPilato, Mthabatheni nina, nimbethelele emnqamlezweni; kuba mna andifumani tyala kuye.

7Amphendula amaYuda athi, Thina sinomthetho; ngomthetho wethu ke úfanele ukufa, ngokuba ezenze uNyana kaThixo.

8Uthe ngoko uPilato, akuliva elo lizwi, woyika ngakumbi.

9Wabuya wangena endlwini yerhuluneli, wathi kuYesu, Ungowaphi na wena?

10Ke uYesu akamphendulanga. Athi ngoko uPilato kuye, Akuthethi na kum? Akwazi na ukuba ndinegunya lokukubethelela emnqamlezweni, nokuba ndinegunya lokukukhulula?

11Uphendule uYesu wathi, Ùnge ungenagunya nakanye kum, ukuba ubungalinikwanga livela phezulu; ngenxa yoko, ondinikeleyo kuwe unesono esikhulu ngakumbi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ngenxa yoko wayefuna uPilato ukumkhulula; kodwa amaYuda ayenkqangaza
esithi, Ukuba uthe wamkhulula lo, akusihlobo sikaKesare; bonke abazenza ukumkani
bachasa uKesare.

13Elivile ngoko uPilato eli lizwi, wamzisa phandle uYesu, wahlala esihlalweni
sokugweba kwindawo ekuthiwa, siSandlalo saMatye; ke ngesiHebhere yiGabhata.

14Ke kaloku kwakuyimini yokulungiselela ipasika, ilixa ke ngathi lilelesithandathu; athi
kumaYuda, Nanko uKumkani wenu!

15Ke wona ankqangaza esithi, Susa, susa, mbethelele emnqamlezweni! Athi uPilato
kuwo, Ndimbethelele emnqamlezweni na uKumkani wenu? Baphendula ababingeleli
abakhulu bathi, Thina asinakumkani ungenguye uKesare.

16Wandula ngoko ukumnikela kubo, ukuze abethelelwe emnqamlezweni.

Ukubethelelwa emnqamlezweni

(UMat. 27:32-56)

17Bamthabatha ke uYesu, bemka naye. Ethwele umnqamlezo wakhe, waphuma waya
endaweni ekuthiwa, yeyokakayi,

18ekuthiwa ngesiHebhere yiGologota, apho bambethelela khona emnqamlezweni,
nabanye naye abangabámbi bebabini, ngeenxa zombini, uYesu ke ephakathi.

19Ke kaloku uPilato wabhala nombhalo, wawubeka phezu komnqamlezo. Kwaye ke
kubhaliwe kwathiwa: UYESU WASENAZARETE, UKUMKANI WAMAYUDA.

20Loo mbhalo ngoko into eninzi yamaYuda yawulesa; ngokuba indawo, uYesu
awayebethelelwe kuyo emnqamlezweni, yayikufuphi nomzi; kwaye ke kubhaliwe
ngesiHebhere, nangesiGrike, nangesiRoma.

21Babesithi ngoko kuPilato ababingeleli abakhulu bamaYuda, Musa ukubhala uthi,
UKumkani wamaYuda; bhala uthi, Wathi yena, NdinguKumkani wamaYuda.

22Waphendula uPilato wathi, Endikubhalileyo ndikubhalile.

23Athe ngoko amasoldati, xa abembethelele emnqamlezweni uYesu, azithabatha
iingubo zakhe, enza izabelo eziné, laelo isoldati lanesabelo; kwanengubo
yangaphantsi. Ke kaloku, ingubo yangaphantsi yabe ingenamthungo; yayilukiwe
iphela, ithabathele phezulu.

24Atshono ngoko ukuthi, Masingayikrazuli, masiqashise ngayo ukuba yoba yekabani
na; ukuze isibhalo sizaliseke esithi, Babelana ngeengubo zam, Benza amaqashiso
ngesambatho sam. (INdum. 22:18) Amasoldati ke ngoko azenza ezi zinto.

25Kwakumi ke ngasemnqamlezweni kaYesu unina, nomsakwabo bonina, uMariya
umkaKleyopa, noMariya waseMagadala.

26UYesu ngoko, akumbona unina, naye umfundi abemthanda emi khona, uthi kuye
unina, Mfazi, nanko unyana wakho!

© 1975 Bible Society of South Africa.

27Andule athi kumfundi lowo, Nanko unyoko! Wathi kwakwelo lixa, umfundi lowo wamthabatha, wamsa kwikhaya lakhe.

28Emveni koko, uYesu, esazi ukuba zonke izinto sezifezekile, ukuze sifezeke isibhalo, wathi, Ndinxaniwe.

29Bekumi ke isitya sizele yiviniga; bazalisa ke bona imfunxa ngeviniga; bayibeka phezu kwehisope, bayisa emlonyeni wakhe.

30Xa ngoko uYesu wabeyamkele iviniga, wathi, Kugqityiwe! Wathoba intloko, wawunikela umoya wakhe.

31AmaYuda ngoko, ukuze imizimba ingahlali emnqamlezweni ngesabatha, ekubeni yayiyimini yokulungiselela isabatha (kuba loo sabatha ibingumhla omkhulu), acela kuPilato ukuba imilenze yabo yaphulwe, basuswe.

32Eza ngoko amasoldati, ayaphula okunene imilenze yowokuqala, neyomnye obebethelelwe emnqamlezweni naye.

33Kodwa akufika kuYesu, akubona ukuba uselefile, akayaphula imilenze yakhe.

34Lesuka elinye isoldati lamhlaba ngomkhonto ecaleni; kwaoko kwaphuma igazi namanzi.

35Nalowo ubonileyo ungqinile, nobungqina bakhe buyinyaniso; naye yena uyazi ukuba uthetha inyaniso, ukuze nani nikholwe.

36Kuba zenzeka ezi zinto, ukuze isibhalo sizaliseke esithi, Akuyi kutyunyuzwa thambo lakhe.

37Kanjalo nesinye isibhalo sithi, Baya kukhangela kulowo bamhlabileyo.

Umngcwabo kaYesu
(UMat. 27:57-66)

38Ke kaloku emveni koko, uYosefu waseArimati (engumfundi kaYesu, ke enguye ngokufihlakeleyo ngenxa yokoyika amaYuda), wacela kuPilato, ukuba awususe umzimba kaYesu. Waza uPilato wavuma; weza ke wawususa umzimba kaYesu.

39Kwafika ke noNikodemo (lowo wezayo kuYesu ebusuku ekuqaleni), ephethe impithikezo yemore nekhala, ngathi iziiponti ezilikhulu ngobunzima.

40Bawuthabatha ke umzimba kaYesu, bawubopha ngezisongelo zelinen, ndawonye nobulawu, njengoko kulisiko lokungcwaba kumaYuda.

41Ke kaloku, bekukho kuloo ndawo abebethelelwe kuyo emnqamlezweni umyezo; nasemyezweni apho bekukho ingcwaba elitsha, ekungazanga kubekwe mntu kulo.

42UYesu ngoko bambeka khona apho, ngenxa yemini yokulungiselela kwamaYuda; ngokuba ingcwaba belikufuphi.

UYohane 20

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

Uvuko lukaYesu

1Ke kaloku, ngolokuqala usuku lweveki, kuza engcwabeni uMariya waseMagadala
kusasa, kusentsundu, alibone ilitye lisusiwe engcwabeni.

2Agidime ngoko, eze kuSimon Petros nakomnye umfundi, lowo ubethandwa
nguYesu, athi kubo, Bayisusile iNkosi engcwabeni; asazi nalapho bayibeke khona.

3Waphuma ngoko uPetros nomnye umfundi lowo, besiya engcwabeni.

4Ke kaloku baye begidima bona bobabini kunye; waza omnye umfundi lowo
wamshiya ngamendu uPetros, wafika kuqala engcwabeni.

5Uthi akuqondela, azibone izisongelo zelinen abesongelwe kuzo zizodwa;
akangenanga ke noko.

6Afike ngoko uSimon Petros emlandela, angene engcwabeni, azibone izisongelo
zelinen abesongelwe kuzo zizodwa;

7neqhiya ebisentlokweni yakhe, ingadibene neelinen abesongelwe kuzo, isongiwe
yodwa ndaweni ithile.

8Wandula ngoko wangena nomnye umfundi, lowo ubefike kuqala engcwabeni,
wabona, wakholwa;

9kuba babengekasazi isibhalo esithi, úmelwe kukuthi avuke kwabafileyo.

10Babuya ngoko abafundi bagoduka.

UYesu uzibonakalalisa kuMariya

11Ke kaloku uMariya ebemi ngaphandle ngasengcwabeni, elila; xa ke ebelila,
waqondela engcwabeni.

12Wabona izithunywa zezulu ezibini, zambethe ezimhlophe, zihleli; esinye
ngasentloko, esinye ngasezinyaweni, apho wawulele khona umzimba kaYesu.

13Zithi zona kuye, Mfazi, ulilelani na? Athi kuzo, Bayisusile iNkosi yam; andazi apho
bayibeke khona.

14Akutsho wajika, wambona uYesu emi; wayengazi ke ukuba nguYesu.

15Athi uYesu kuye, Mfazi, ulilelani na? ufuna bani na? Yena, esiba ngumgcini-myezo,
uthi kuye, Nkosi, ukuba umsusile apha, ndixelele apho umbeke khona; mna ndiye
kumthabatha.

16Athi uYesu kuye, Mariya! Wajika yena wathi kuye, Rabhoni! (oku kukuthi,
Mfundisi).

17Uthi uYesu kuye, Ungàndichukumisi; kuba andikanyuki ndiye kuBawo; ke yiya
kubazalwana bam, uthi kubo, Ndiyenyuka, ndiya kuBawo, kuYihlo; kuThixo wam,
kuThixo wenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Afike uMariya waseMagadala, ababikele abafundi ukuba uyibonile iNkosi; yathetha
ezi zinto kuye.

Ukuzibonakalalisa kukaYesu kwabalishumi elinanye nokungakholwa kukaTomas
(ULuka 24:33-43)

19Kwakuhlwa ngoko, ngolokuqala usuku lweveki, zakubon' ukuba iingcango zivaliwe,
apho babehlanganisene khona abafundi, ngenxa yokoyika amaYuda, wafika uYesu
wema phakathi, wathi kubo, Uxolo malube nani. Akutsho, wababonisa izandla necala
lakhe.

20Bavuya ngoko abafundi bakuyibona iNkosi.

21Waphinda ngoko uYesu wathi kubo, Uxolo malube nani; njengokuba uBawo
endithumile mna, nam ndiyanithuma nina.

22Akutsho wabaphefumlela, wathi kubo, Yamkelani uMoya oyiNgcwele;

23abazono nithe nazixolela, bazixolelwe; nabazono nithe nazibamba, zibambekile.

24Ke kaloku uTomas, omnye kwabalishumi elinababini, okuthiwa nguDidimo,
wayengenabo oko wafikayo uYesu.

25Babesithi ngoko kuye abanye abafundi, Siyibonile iNkosi. Wathi ke yena kubo,
Ukuba andithanga ndilibone inxeba lezikhonkwane ezandleni zayo, ndiwufake
umnwe wam enxebeni lezikhonkwane, ndisifake isandla sam ecaleni layo, andisayi
kukholwa.

26Baye emveni kweentsuku ezisibhozo bekwangaphakathi abafundi bakhe;
wayenabo noTomas. Afike uYesu, zakubon' ukuba zivaliwe iingcango, eme phakathi,
athi, Uxolo malube nani.

27Andule athi kuTomas, Ethe apha umnwe wakho, uzibone izandla zam; ethe isandla
sakho, usifake ecaleni lam; musa ukuba ngongakholwayo, yiba ngokholwayo.

28Uphendule uTomas, wathi kuye, Nkosi yam, Thixo wam!

29Athi uYesu kuye, Ngokuba undibonile, Tomas, ukholiwe. Banoyolo abo
bangabonanga, bakholwa noko.

30Mininzi ke okunene neminye imiqondiso awayenzayo uYesu emehlweni abafundi
bakhe, engabhalwanga kuyo le ncwadi;

31kodwa le ibhalelwe ukuze nikholwe ukuba uYesu unguye uKristu, uNyana kaThixo,
nokuze nithi, nikholwa, nibe nabo ubomi egameni lakhe.

UYohane 21

Ukuzibonakalalisa kukaYesu ngakulwandle lwaseTibheriya

1Emva koko waphinda uYesu wazibonakalalisa kubafundi ngaselwandle
lwaseTibheriya. Wenjenje ke ukuzibonakalalisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Babendawonye uSimon Petros, noTomas okuthiwa nguDidimo, noNataniyeli waseKana yelaseGalili, nabakaZebhedi, nabanye kubafundi bakhe bababini.

3Athi uSimon Petros kubo, Ndiya kubambisa iintlanzi. Bathi kuye, Nathi siyaya nawe. Baphuma bangena emkhombeni kwaoko. Ngobo busuku àbababamba nto.

4Ke kaloku, kwakuba sekusile, wema uYesu elunxwemeni; noko abafundi bebengazi ukuba nguYesu.

5Athi ngoko uYesu kubo, Bantwana, aninanto idliwayo na? Bamphendula bathi, Hayi.

6Wathi ke yena kubo, Wuphoseni umnatha ngecala lasekunene lomkhombe, nofumana. Baphosa ke; ababa saba nako ukuwutsala, ngenxa yenkitha yeentlanzi.

7Athi ngoko loo mfundi ubethandwa nguYesu kuPetros, YiNkosi. Uthe ngoko uSimon Petros, akuva ukuba yiNkosi, wabhinqa ingubo yokwaleka (kuba ebezé), waziphosa elwandle.

8Ke kaloku abanye abafundi beza ngomkhonjana (kuba bebengemgama emhlabeni, ngathi bebekubhite zimakhulu mabini), bewuzizilizisa umnatha weentlanzi.

9Bathi ngoko, bakuwelela emhlabeni, babona umlilo wamalahle ukhona, nentlanzi ikuwo, nesonka.

10Athi uYesu kubo, Zisani kwezo ntlanzi nizibambise ngokunje.

11Wangena emkhombeni uSimon Petros, wawutsalela emhlabeni umnatha, uzele ziintlanzi ezinkulu, zilikhulu elinamanci mahlanu anantathu; nakuba bezingako njalo, awujacekanga umnatha.

12Athi uYesu kubo, Yizani nomule. Akubangakho namnye ke kubafundi waba nabuganga bakumbuza esithi, Ùngubani na? besazi nje ukuba yiyo iNkosi.

13Uza ke uYesu, asithabathe isonka, abanike, ayenjenjalo nentlanzi.

14Oku sekukokwesithathu ezibonakalalisa uYesu kubafundi bakhe, evukile kwabafileyo.

15Bathi ke bakomula, athi uYesu kuSimon Petros, Simon kaYona, uyandithanda na ngaphezu kwaba? Athi kuye, Ewe, Nkosi, uyazi wena ukuba ndiyakuthanda. Athi kuye, Dlisa amatakane am.

16Aphinde athi kuye okwesibini, Simon kaYona, uyandithanda na? Athi kuye, Ewe, Nkosi, uyazi wena ukuba ndiyakuthanda. Athi kuye, Yalusa izimvu zam.

17Athi kuye okwesithathu, Simon kaYona, uyandithanda na? Waba buhlungu uPetros, kuba ethe kuye okwesithathu, Uyandithanda na? Wathi kuye, Nkosi, uyazazi izinto zonke wena; uyaqonda wena ukuba ndiyakuthanda. Athi uYesu kuye, Dlisa izimvu zam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Inene, inene, ndithi kuwe, Oko ubusemtsha ubuzibhinqisa ngokwakho, uhambe apho uthanda khona; kodwa xa uthe waluphala, uya kuzolula izandla zakho, ubhinqiswe ngomnye, ákuse apho ungathandiyo.

19Wakútsho ke oku, eqondisa ukuba kukufa kuni na abeya kuzukisa uThixo ngako. Akutsho wathi kuye, Ndílandele.

20Ejikile ke uPetros, uboné umfundi obethandwa nguYesu elandela: lowo wayayame esifubeni sakhe esidlweni, wathi, Nkosi, ngubani na okunikelayo?

21UPetros akumbona lowo, uthi kuYesu, Nkosi, lo woba yini na?

22Athi uYesu kuye, Ukuba ndithi ndithande ukuba yena ahlale ndide ndifike, iyini na loo nto kuwe? Landela mna wena.

23Laphuma ngoko eli lizwi, laya kubazalwana, ukuba loo mfundi akayi kufa. Waye uYesu engatshongo kuye ukuthi, Akayi kufa; wathi, Ukuba ndithi ndithande ukuba yena ahlale ndide ndifike, iyini na loo nto kuwe?

Isihlomelo

24Nguye lo umfundi ongqinayo ngezi zinto, wazibhala ezi zinto; kanjalo siyazi ukuba ubungqina bakhe buyinene.

25Kukho ke nezinye izinto ezininzi awazenzayo uYesu; ezingathi zithe zabhalwa ngazinye, ndithi nehlabathi eli alingezibambi iincwadi ezo zingabhalwayo. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IZenzo

IZenzo 1

Intshayelelo

1Eyokuqala imbali, Tiyofilo, ndayenza kambe ndibalisa ngezinto zonke awaqala ngazo
uYesu ukuzenza kwanokuzifundisa,

2kwada kwayimini awanyuswa ngayo, akuba ebawisele umthetho ngoMoya
oyiNgcwele abapostile awayebanyule;

3awathi kanjalo, emveni kokuva kwakhe ubunzima, wazimisa ephilile phambi kwabo,
ngeziganeko ezininzi, ezibonakalalisa ngokwakhe kubo kwiintsuku ezimashumi mané,
ethetha izinto ezingabo ubukumkani bukaThixo.

4Uthe, ehlanganisene nabo, wabathethela ngelithi, mabangahlukani neYerusalem;
mabalinde idinga loYise, awathi ukuthetha, Naliva kum;

5ngokuba uYohane okunene wabhaptiza ngamanzi; kodwa nina niya kubhaptizwa
ngoMoya oyiNgcwele, kungekabi kade emva kwezi ntsuku.

Unyuko lukaYesu

6Bona ke ngoko, bebuthelene, babembuza besithi, Nkosi, wobubuyisela ngeli xesha
na ubukumkani kuSirayeli?

7Uthe ke kubo, Asikokwenu ukwazi amaxesha nokuba ngamathuba, awamise
ngelakhe igunya uBawo.

8Niya kwamkela ke amandla, akubon' ukuba uMoya oyiNgcwele uhlile phezu kwenu;
nibe ngamangqina am eYerusalem, kwanakulo lonke elakwaYuda nelaseSamariya,
kude kuse nasekupheleni komhlaba.

9Waza etshilo, bakubon' ukuba bakhangele, wafukulwa; lathi ilifu lemka naye
emehlweni abo.

10Bakuba beqwalasele ezulwini, akubon' ukuba uyemka, kwabonakala kumi ngakubo
amadoda amabini eneengubo ezimhlophe,

11awatshoyo ukuthi, Madoda, maGalili, nimeleni na nondele ezulwini? Kwayena lo
Yesu unyusiweyo kuni, wasiwa emazulwini, uya kuza ngolu hlobo nimboné esiya
ngalo emazulwini.

Ukunyulwa kompostile weshumi elinambini

12Baza babuyela eYerusalem, bevela entabeni ekuthiwa yeyemiNquma, ekufuphi
kwiYerusalem, uhambo lwesabatha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Bathe ke bakungena, banyukela egumbini eliphezulu ababehlala kulo, inguPetros, noYakobi, noYohane, noAndreya, uFilipu, noTomas, uBhartolomeyu, noMateyu, noYakobi ka-Alifeyu, noSimon umZeloti, noYuda umzalwana kaYakobi.

14Aba bonke babezingisa ngamxhelo mnye ekuthandazeni nasekukhungeni, ndawonye nabafazi, noMariya unina kaYesu, kwandawonye nabazalwana bakhe.

15Ngaloo mihla wesuka wema uPetros phakathi kwabo abazalwana (laye inani lamagama ndawonye lingathi lilikhulu elinamanci amabini), wathi,

16Madoda, bazalwana, esi sibhalo simelwe kukuba sizaliseke, sathethwayo ngaphambili nguMoya oyiNgcwele ngomlomo kaDavide ngaye uYuda, owaba ngumkhokeli kwabo bambambayo uYesu;

17ngokuba wayebalelwe kúthi, wasizuza isabelo solu lungiselelo.

18Lowo ke ngoko wazuza umhlaba ngomvuzo wokungalungisi; wathi ekhahleleke phantsi ngobuso, wagqabhuka phakathi, zaphalala zonke izibilini zakhe.

19Kwazeka oko kubo bonke abemiyo eYerusalem, wada loo mhlaba ngeyabo intetho kwathiwa yiAkeldama, oko kukuthi, ngumhlaba wegazi.

20Kuba kubhaliwe encwadini yeeNdumiso kwathiwa, Umzi wakhe mawube yintlango, Kungabikho umiyo kuwo; (INdum. 69:25) Buthi nobuveleli bakhe buthatyathwe ngomnye. (INdum. 109:8)

21Ngoko, kuwo amadoda abehamba nathi, ngalo lonke ixesha ebingena iphuma phakathi kwethu iNkosi uYesu,

22iqalele elubhaptizweni lukaYohane, yada yayimini eyanyuswa ngayo kuthi, kumele ukuba kubekho enye kuwo eba lingqina lokuvuka kwayo, kunye nathi.

23Bamisa mabini, uYosefu, okuthiwa nguBharsabhas, ogama limbi linguYusto, noMatiya.

24Bathandaza bathi, Wena, Nkosi, Mazi weentliziyo zabo bonke, yalatha kwaba babini oyena umnyulileyo,

25ukuba asithabathe isabelo solu lungiselelo nobupostile, awaphambukayo kubo uYuda, ukuze aye kweyakhe indawo.

26Bawisa amaqashiso abo; lathi iqashiso laphuma noMatiya; wabalelwa ndawonye nabapostile abalishumi elinamnye.

IZenzo 2

Isipho soMoya oyiNgcwele

1Ke kaloku, ekuzalisekeni kwawo umhla wepentekoste, baye bonke bemxhelo mnye ndaweni-nye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Kwaza ngequbuliso kwaphuma ezulwini isandi esinjengesomoya ovuthuza ngamandla, sayizalisa indlu yonke ababehleli kuyo.

3Kwabonakala kubo iilwimi ezabekayo, ngathi zezomlilo, lwaolo lwahlala phezu kwabo bonke ngabanye.

4Bazaliswa bonke nguMoya oyiNgcwele, baqala ukuthetha ngalwimi zimbi, njengoko uMoya wayebanika ukuba bathethe baphimisele.

5Ke kaloku kwakumi eYerusalem apho amaYuda, amadoda awoyika uThixo, evela kuzo zonke iintlanga eziphantsi kwezulu.

6Sithe ke sakubakho esi sandi, yabuthelana inkitha, yadubadubeka, ngokuba bonke ngabanye babebeva bona bethetha ngezakomawabo iintetho.

7Bathi nqa ke bonke, bamangaliswa, wathi omnye komnye, Kanene aba bonke bathethayo asingamaGalili na?

8Kutheni na ke ukuba sibeve nje sonke ngabanye bethetha ngezakomawethu iintetho, esazalelwa kuzo?

9Thina maParti, namaMedi, namaElam, nathi simiyo kwelaseMesopotami, kwelakwaYuda kwanakwelaseKapadoki, kwelasePonto nakwelaseAsiya,

10kwelaseFrigi kwanakwelasePamfili, kwelaseYiputa, nasemacaleni elaseLibhi ngaseKirene, nathi bahambi baseRoma, síngamaYuda kwanabangeni ebuYudeni,

11thina maKrete nama-Arabhi, sibeva bona bezithetha ngezakomawethu iilwimi izinto ezinkulu zikaThixo.

12Bathi nqa ke bonke, bakhohlwa, omnye esithi komnye, Azi, ingaba ifuna ukuba yintoni na le nto?

13Abanye ke babehlekisa ngabo, besithi, Bahluthi yiwayini enencasa.

Intetho kaPetros ngomhla wepentekoste

14Ke kaloku uPetros, esuke wema nabalishumi elinamnye, waliphakamisa izwi lakhe, waphimisela ukuthetha, wathi kubo: Madoda, maYuda, nani nonke nimiyo eYerusalem, makwazeke oku kuni, niwabekele iindlebe amazwi am.

15Aba àbanxilile, njengoko nina niba kunjalo, kuba kuselilixa lesithathu lemini.

16Oku khona koko kuthethiweyo ngomprofeti uYoweli, kwathiwa,

17Kuya kuthi ngayo imihla yokugqibela, utsho uThixo, Ndimthulule uMoya wam phezu kwayo yonke inyama, Baprofete oonyana benu neentombi zenu, Athi amadodana enu abone imibono, Namadoda enu amakhulu aphuphe amaphupha;

18Ewe, ndaye, phezu kwabakhonzi bam, naphezu kwabakhonzazana bam, ngaloo mihla Ndíya kumthulula uMoya wam, baprofete;

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Ndénze izimanga ezulwini phezulu, Nemiqondiso emhlabeni phantsi, Igazi, nomlilo, nentshinyela yomsi.

20Ilanga liya kusuka libe mnyama, Ithi inyanga ibe ligazi, Phambi kokuba ize imini yeNkosi, Leyo inkulu ibalulekileyo.

21Baya kuthi bonke abasukuba belinqula igama leNkosi basindiswe. (UYow. 2:28-32)

22Madoda, maSirayeli, waveni la mazwi: UYesu waseNazarete, indoda eqondakalisiweyo nguThixo kuni ngemisebenzi yamandla, nangezimanga, nangemiqondiso, awayenzayo uThixo ngayo phakathi kwenu, njengokuba nisazi nani ngokwenu:

23yena lowo, ekhutshwe ngecebo elimisiweyo likaThixo nangokwazi kwakhe kwenxa engaphambili, namthabatha ngezandla zabachasene nomthetho, nambethelela emnqamlezweni, namsika;

24athe uThixo wamvusa, eyikhulule inimba yokufa; ngokokuba ebengenako ukubanjwa kuko.

25Kuba uDavide uthi, esingisele kuye, Ndahlala ndiyibona iNkosi phambi kwamehlo am, Ngokuba ingasekunene kwam, ukuze ndingashukunyiswa.

26Ngenxa yoko intliziyo yam yaba nemihlali, lwagcoba ulwimi lwam; Ngaphezu koko ke nenyama yam iya kuphumla inethemba;

27Ngokuba akuyi kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo. Kananjalo akuyi kumnikela oyiNgcwele wakho ekuboneni ukubola.

28Wandazisa iindlela zobomi; Ùya kundizalisa ngemihlali ngokubona ubuso bakho. (INdum. 16:8-11)

29Madoda, bazalwana, mandivunyelwe ndithethe kuni ngokuphandle ngomawokhulu uDavide, ukuba wafa wangcwatywa; nengcwaba lakhe likho phakathi kwethu unanamhla.

30Ngoko, kuba engumprofeti, esazi nokwazi ukuba uThixo wamfungela isifungo sokuba esiqhameni sesinqe sakhe ngokwenyama uya kuvelisa uKristu, ukuba ahlale phezu kwetrone yakhe:

31uthe ebona ngenxa engaphambili, wathetha ngako ukuvuka kukaKristu, ukuba umphefumlo wakhe ungashiywanga kwelabafileyo nenyama yakhe ingabonanga kubola.

32UThixo wamvusa lo Yesu, esingamangqina ako oko thina sonke.

33Ephakanyisiwe ngoko sisandla sokunene sikaThixo, elamkele kanjalo idinga loMoya oyiNgcwele kuYise, uthulule oku nikubonayo, nikuvayo, kalokunje nina.

© 1975 Bible Society of South Africa.

34Kuba uDavide, enganyukanga waya emazulwini, ke uthi ngokwakhe, Yathi iNkosi
eNkosini yam, Hlala ngasekunene kwam,

35Ndide iintshaba zakho ndizenze isihlalo seenyawo zakho. (INdum. 110:1)

36Ngoko mayazi ngokuqinisekileyo yonke indlu kaSirayeli, ukuba uThixo wamenza
iNkosi noKristu, kwayena lo Yesu nambethelelayo emnqamlezweni nina.

37Ke kaloku bathe, bakukuva oko, bahlabeka entliziyweni, bathi kuPetros
nakwabanye abapostile, Madoda, bazalwana, síthini na?

38Uthe ke uPetros kubo, Guqukani nibhaptizwe nonke ngabanye egameni likaYesu
Kristu, ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya oyiNgcwele.

39Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, esukuba iNkosi
uThixo wethu iya kubabiza.

40Nangamanye amazwi amaninzi wayeqononondisa, evuselela esithi, Zisindiseni
kwesi sizukulwana sigoso.

41Bathe ke ngoko, ábalamkele ilizwi lakhe ngovuyo, babhaptizwa; kongezelelwa
ngaloo mini imiphefumlo engathi imawaka mathathu.

Intlalo yebandla lamaKristu

42Baye ke bezingisa ukuhlala emfundisweni yabapostile, nasebudlelaneni,
nasekuqhekezeni isonka, nasemithandazweni.

43Ke kaloku kwabakho ukoyika kwimiphefumlo yonke; kwenzeka izimanga ezininzi
kwanemiqondiso ngabapostile.

44Bonke ke ababekholwa babendawonye, benobudlelane ngeento zonke.

45Baye bethengisa nangemihlaba nangempahla yabo, babele bonke, njengoko ebethi
ubani aswele ngako.

46Babezingisa ukuhlala bemxhelo mnye etempileni imihla ngemihla, beqhekeza
isonka kwizindlu ngezindlu, besidla ukudla benemigcobo, benolungelelwano
lwentliziyo,

47bemdumisa uThixo, benonelelwe ngabantu bonke. Yaye iNkosi isongeza
abasindiswayo imihla ngemihla kulo ibandla.

IZenzo 3

Ukuphiliswa kwengqiba elisisiqhwala

1Ke kaloku, uPetros, noYohane babenyuka bendawonye, besiya etempileni ngexesha
lomthandazo, ililixa lesithoba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Kwaye ke kuthwelwe ndoda ithile, ibisisiqhwala kwasekuzalweni kwayo, ababeyibeka imihla ngemihla emnyango wetempile, lowo kuthiwa Mhle, ukuba icele amalizo kwabangénayo etempileni;

3eyathi, yakubona uPetros noYohane beza kungena etempileni, yacela ukuba bayilize.

4Uthe ke uPetros, enoYohane, eqwalasele kuyo wathi, Khangela kuthi apha.

5Yabagqala ke, ilinde ukwamkela into kubo.

6Wathi ke uPetros, Isilivere negolide andinayo, kodwa endinako ndikunika khona: egameni likaYesu Kristu umNazarete, vuka uhambe.

7Wayibamba ngesandla sokunene, wayivusa; zomelezeka ke kwalapho iinyawo zayo namaqatha ayo.

8Yesuka umtsi, yema, yahambahamba, yangena nabo etempileni, ihambahamba itsiba, imdumisa uThixo.

9Baza bonke abantu bayibona ihambahamba, idumisa uThixo;

10bayazi nokuyazi, ukuba ingulowa ubehlalela amalizo eMnyango oMhle wetempile, bathi qhiphu umbilini, bathi nqa yiloo nto ihlileyo kuyo.

11Ke kaloku, sakubon' ukuba isiqhwala esiphilisiweyo sibabambe ngesandla ooPetros noYohane, bonke abantu babalekela kubo evarandeni ekuthiwa yekaSolomon, beqhiphuke umbilini kakubi.

Intetho kaPetros etempileni

12Akukubona ke oko uPetros, waphendula wathi kubo abantu, Madoda, maSirayeli, yini na ukuba nimangaliswe yile nto? Kanjalo yini na ukuba nisijonge, ngathi simenzé wahamba ngawethu amandla, nangokwethu ukuhlonela uThixo?

13UThixo wooAbraham noIsake noYakobi, uThixo woobawo bethu, umzukisile umkhonzi wakhe uYesu, enamnikelayo, namkhanyela ebusweni bukaPilato nina, akubon' ukuba yena ugwebe ngelithi, makakhululwe.

14Ke nina namkhanyela oyiNgcwele, oliLungisa, nacela ukuba ninikwe indoda engumbulali.

15Ke yona iMbangi yobomi nayibulala; awayivusayo uThixo kwabafileyo, esingamangqina ako oko thina.

16Nangenxa yokukholwa kwigama layo, lo nimbonayo, nimaziyo, limomelezile igama layo; lwathi ukholo olungayo lwamnika oku kuphila kupheleleyo phambi kwenu nonke.

17Nangoku, bazalwana, ndiyazi ukuba nenzé ngokungazi, njengabo nabo abaphathi benu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Ke uThixo, izinto awazixela ngenxa engaphambili ngomlomo wabo bonke abaprofeti bakhe, zokuba uKristu eve ubunzima, uzizalisile wenjenje.

19Guqukani ke ngoko, nibuye, ukuze zicinywe izono zenu; ngokokuze afike amathuba okuphumza, evela ebusweni beNkosi;

20ithùme uYesu Kristu, owayevakalisiwe kuni ngenxa engaphambili;

21lowo kumele okunene ukuba amazulu amamkele, kude kufike amaxesha okubuyiswa kweento zonke, awawathethayo uThixo ngomlomo wabo bonke abaprofeti bakhe abangcwele, kususela kunaphakade.

22Kuba uMoses okunene wathi koobawo, INkosi uThixo wenu iya kunivelisela umprofeti kubazalwana benu, onjengam nje; ze nimve yena kuzo zonke izinto asukuba eya kuzithetha kuni.

23Yothi ke yonke imiphefumlo engathanga imve loo mprofeti, ibhujiswe kuphele phakathi kwabantu.

24Nabo ke bonke abaprofeti, bethabathela kuSamuweli nakwabalandelayo, bonke abathethileyo, bayixela loo mihla ngenxa engaphambili.

25Nina ningoonyana babo abaprofeti, nabomnqophiso awanqophisana ngawo noobawo bethu uThixo, esithi kuAbraham, Yaye ke iya kusikeleleka embewini yakho yonke imizalwane yehlabathi.

26Uthe uThixo, akuba emvusile umkhonzi wakhe uYesu, wamthuma kuni kuqala, ukuba anisikelele ngokuniguqula nonke ngabanye kwiinkohlakalo zenu.

IZenzo 4

UPetros noYohane phambi kwentlanganiso yamatyala

1Bakubon' ukuba bayathetha kubo abantu, ababingeleli, nomphathi wetempile, nabaSadusi, bathi gaga phezu kwabo,

2bebindekile ngenxa yokuba befundisa abantu, bekuxela ukuvuka kubo abafileyo ngoku kukaYesu ukuvuka.

3Babesa izandla, babafaka entolongweni, kwada kwaba lingomso; kuba bekuse kuhlwile.

4Ke kaloku into eninzi yâbo babelivile ilizwi, yakholwa; lathi inani lamadoda langa limawaka mahlanu.

5Kwathi ke ngengomso, kwahlanganiselana eYerusalem abaphathi babo, namadoda amakhulu, nababhali,

6noAnas umbingeleli omkhulu, noKayafa, noYohane, noAlesandire, nabo bonke abomlibo wombingeleli omkhulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Bathe bakuba bebamise phakathi, bababuza besithi, Le nto nina niyenze ngamandla mani na, nangagama lini na?

8Wandula uPetros, ezele nguMoya oyiNgcwele, wathi kubo, Nina baphathi babantu, nani madoda makhulu akwaSirayeli,

9ukuba thina namhlanje sincinwa ngomsebenzi wokumsiza umntu ongumlwelwe, ukuba uthiweni na ukusindiswa:

10makwazeke kuni nonke, nakubo bonke abantu bakwaSirayeli, ukuba kusegameni likaYesu Kristu waseNazarete, enambethelelayo emnqamlezweni nina, athe uThixo wamvusa kwabafileyo; kungaye lowo, ukuba lo mntu eme apha phambi kwenu ephilile.

11Nguye lo ilitye elenziwa into engento nini bakhi, elisuke laba yintloko yembombo.

12Kananjalo usindiso alukho kuwumbi; kuba akukho gama limbi phantsi kwezulu, linikiweyo phakathi kwabantu, esimele ukusindiswa ngalo.

13Ke kaloku, bakùbona ukungafihlisikuthetha koPetros noYohane, beqiqa nokuba ngabantu abangenamfundo, abangenakwazi, bamangaliswa; babaqonda ukuba babenaye uYesu.

14Bakumbona ke umntu emi nabo, yena lowo uphilisiweyo, ababanga nandawo yakuphika.

15Bakuba bethe, mabaphume entlanganisweni yamatyala, bacebisana bodwa, besithi,

16Siya kubathini na aba bantu? Kuba okunene, ukuba kuhlé ngabo umqondiso owazekayo, oyinto ebonakalayo kubo bonke abemi eYerusalem, nathi asinakuyikhanyela loo nto.

17Ukuze ke loo nto ingahlakazeki ngakumbi ebantwini, masise sibasongela ngelokuba bangabi sathetha mntwini ngeli gama.

18Bebabizile, babathethela ngelithi, mabangabi sakhankanya nakanye, bangafundisi nokufundisa ngegama likaYesu.

19Ke kaloku uPetros noYohane baphendula, bathi kubo, Yahlulani nina, ukuba bubulungisa na emehlweni kaThixo ukuva nina, kunokuva uThixo;

20kuba singenako thina ukuthi singazithethi izinto esazibonayo, esazivayo.

21Bathe ke bona, beqokele ngokubasongela, babandulula; bengafumani sizathu bangababetha ngaso, ngenxa yabantu; ngokuba bonke babemzukisa uThixo ngoko kwakuhlile.

22Kuba wayedlule emashumini amané eminyaka umntu lowo, wawuhle kuye lo mqondiso wokuphiliswa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

UPetros noYohane babuyela kwizihlobo zabo

23Ke kaloku, bakundululwa, baya kwababo, babika oko zingako izinto abazithetháyo
kubo ababingeleli abakhulu namadoda amakhulu.

24Bona ke, bekuvile oko, baphakamisa izwi kuThixo ngamxhelo mnye, bathi, Mnini-
ntozonke, wena unguThixo owalenzayo izulu nomhlaba nolwandle, neento zonke
ezikwezo nto;

25owathi ngomlomo kaDavide umkhonzi wakho, Zazibhavumelani na iintlanga, Zaza
izizwe zacamanga izinto ezingento?

26Bazimisa ookumkani behlabathi, Nabaphathi bahlanganisana ndawonye
Ngokuyichasa iNkosi, naye uKristu wayo. (INdum. 2:1,2)

27Kuba, inyaniso, ngaye uMkhonzi wakho oyingcwele onguYesu, owamthambisayo,
kwahlanganisana uHerode, kwanoPontiyo Pilato, ndawonye neentlanga nabantu
bakwaSirayeli,

28ukuba benze izinto zonke ezamiswayo ngenxa engaphambili sisandla sakho
nalicebo lakho, ukuba zibekho.

29Okwangoku ke, Nkosi, zikhangele izisongelo zabo, ubanike abakhonzi bakho ukuba
balithethe ilizwi lakho ngako konke ukungafihlisi,

30ekusoluleni isandla sakho ukuba uphilise, nokuba kubekho imiqondiso nezimanga
ngegama loMkhonzi wakho oyingcwele, uYesu.

31Bakubon' ukuba bakhungile, yazanyazanyiswa indawo ababehlanganisene kuyo,
bazaliswa bonke nguMoya oyiNgcwele, balithetha ilizwi likaThixo ngokungafihlisiyo.

Ingxowa eyeyobudlelane

32Ke kaloku inkitha yababekholiwe yayintliziyo-nye, imphefumlo mnye; kwaye
kungekho namnye ubesithi kukho nto iyeyakhe empahleni yakhe; zonke izinto zaye
zizezobudlelane kubo.

33Baye abapostile bekungqinela ngamandla amakhulu ukuvuka kweNkosi uYesu;
kwaye kukho ukubabalwa okukhulu kubo bonke.

34Kuba kwakungekho namnye phakathi kwabo, wayeswele; kuba bonke
ababenemihlaba, nokuba zizindlu, babesithi bathengise ngazo, bawazise amaxabiso
ezo zinto kuthengisiweyo ngazo,

35bawabeke ezinyaweni zabapostile; waye ke elowo esabelwa njengoko ebesukuba
eswele ngako.

36Ke kaloku uYose, owathiywa ngabapostile elinye igama lokuba nguBharnabhas
(elithi, lakuthethwa ngentetho evakalayo, ngumfo wovuselelo), umLevi waseSipro
ngokuzalwa,

© 1975 Bible Society of South Africa.

37wathi enomhlaba wathengisa ngawo, wayizisa imali, wayibeka ezinyaweni zabapostile.

IZenzo 5

UHananiya noSafira

1Ke kaloku indoda ethile, uHananiya ngegama, inoSafira umkayo, yathengisa ngemfuyo yayo.

2Yashinta kulo ixabiso layo, esazi naye umkayo; yazisa nxenye ithile, yayibeka ezinyaweni zabapostile.

3Wathi ke uPetros, Hananiya, kungani na ukuba uSathana azalise intliziyo yakho, ukuba umxokise uMoya oyiNgcwele, ushinte kulo ixabiso lomhlaba?

4Oko úbe uhleli, ubungahleli kuwe na? Kanjalo úthengisiwe, ubungekhona na egunyeni lakho? Yini na ukuba uyibeke le nto entliziyweni yakho? Akuxoké kubantu, uxoke kuThixo.

5Ewavile ke uHananiya la mazwi, wawa, waphuma umphefumlo; kwabakho ukoyika okukhulu kubo bonke ababezivile ezi zinto.

6Asuka ke amadodana amsonga, amthwalela phandle, amngcwaba.

7Kwaba mzuzwana ke, ngathi ngowamaxa amathathu, wathi umkakhe, engayazi loo nto ihlileyo, wangena.

8Umphendule ke uPetros wathi, Ndixelele, umhlaba lo wakhutshelwa inani elingáka na? Wathi ke yena, Ewe, elingako.

9Uthe ke uPetros kuye, Yini na ukuba nivumelane ngokumlinga uMoya weNkosi? Uyabona, iinyawo zabo bangcwabe indoda yakho sezisemnyango; baya kukuthwalela phandle.

10Wawa ke kwalapho ezinyaweni zakhe, waphuma umphefumlo; bangena ke abafana, bamfumana efile, bamthwalela phandle, bamngcwabela ngasendodeni yakhe.

11Kwabakho ukoyika kulo lonke ibandla, nakubo bonke abazivayo ezi zinto.

Imiqondiso nezimanga ezenziwa ngabapostile

12Ke kaloku, ngazo izandla zabapostile kwabakho imiqondiso nezimanga ezininzi phakathi kwabantu; baye bonke bemxhelo mnye evarandeni kaSolomon.

13Ke kaloku, kwabanye akubangakho namnye waba nabuganga bakusinamathelisa kubo; baye abantu bebenzé bakhulu.

14Kwaba kukhona bekongezwayo abakholwayo kwiNkosi, into eninzi yamadoda neyabafazi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15bada bayithwalela phandle imilwelwe ezitratweni, bayibeka ezingqengqelweni
nasezinkukweni, ukuze kuthi, akubon' ukuba uPetros uyeza, kubekho kuyo ethi
isityekelwe sisithunzi sakhe.

16Yaye ke ibuthelana eYerusalem nenkitha yabemizi ejikelezileyo, ithwele imilwelwe
nabakhathazwa ngoomoya abangcolileyo, ababesithi bona baphiliswe bonke.

UPetros noYohane kwakhona phambi kwentlanganiso yamatyala

17Ke kaloku wesuka umbingeleli omkhulu, nabo bonke ababenaye (abangabehlelo
labaSadusi), bazala ngumsindo;

18babesa izandla abapostile, babafaka entolongweni yabantu bonke.

19Ke kaloku isithunywa seNkosi sazivula iingcango zentolongo ebusuku, sabakhupha,
sathi,

20Hambani, niye kuma nithethe etempileni kubo abantu onke amazwi obu bomi.

21Bevile ke, bangena kwangesifingo etempileni, bafundisa. Wafika ke umbingeleli
omkhulu nabo babenaye, wayibizela ndawonye intlanganiso yamatyala, nawo onke
amadoda amakhulu akoonyana bakaSirayeli; bathumela endlwini yamakhonkxwa
ukuba beziswe.

22Ke kaloku, akufika amadindala, akabafumananga entolongweni; abuya ke abika,
esithi,

23Indlu yamakhonkxwa siyifumene okunene ivalwe ngokuqinileyo kanye, nabalindi
bemi ngaphandle phambi kweminyango. Sívulile ke, asifumananga mntu
ngaphakathi.

24Bathe ke bakuweva la mazwi umbingeleli kwanomphathi wetempile, nababingeleli
abakhulu, labakhohla, bathi,

25Azi, ingaba yintoni na le nto? Wafika ke othile, wababikela esithi, Yabonani,
amadoda lawa beniwafake entolongweni, nangaya etempileni, emi efundisa abantu.

26Wesuka umphathi enamadindala, wabazìsa kungengamandla; kuba babesoyika
abantu, hleze baxulutywe ngamatye.

27Bebazisile ke, babamisa entlanganisweni yamatyala; wababuza umbingeleli
omkhulu, esithi,

28Besinganithethelanga na kunene ngelithi, maningafundisi ngeli gama? Niyabona,
niyizalisile iYerusalem ngemfundiso yenu; nifuna ukulizisa phezu kwethu igazi lalo
mntu.

29Waphendula ke uPetros nabapostile, bathi, Simelwe kukuthi sive uThixo kunokuba
sive abantu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

30UThixo woobawo bethu wamvusa uYesu, enambulalayo nina ngokumxhoma emthini.

31Yena lowo uThixo wamphakamisa ngesandla sakhe sokunene, wanguMthetheli noMsindisi, ukuze amnike uSirayeli inguquko noxolelo lwezono.

32Saye singamangqina akhe ezo ndawo thina, kwanoMoya oyiNgcwele, awamnika abo bamvayo yena uThixo.

33Bathe ke bona bakukuva oko, bahlabeka entliziyweni, babhunga ukuba babasike.

34Ke kaloku kwesuka kwema othile entlanganisweni yamatyala, umFarisi ogama linguGamaliyeli, umfundisi womthetho, obekekileyo kubantu bonke, wathi makhe bakhutshelwe phandle kancinane abapostile; wathi kubo,

35Madoda, maSirayeli, zilumkeleni ngento eniza kuyenza kwaba bantu.

36Kuba ngaphambi kwale mihla, kwesuka uTuda, esithi yena ngokwakhe unguthile; ekwanamathela kuye inani lamadoda angathi amakhulu mané; ngowasikwayo lowo; bathi bonke ababemthambele babhangazeka, ababa nto.

37Emva kwalowo kwesuka uYuda welaseGalili, ngemihla yobhalo lomlibo wokuzalwa, wakhukulisa abantu banela; naye lowo watshabalala; baza bonke ababemthambele bachithwachithwa.

38Kungoku ke ndithi kuni, Khwelelani kwaba bantu nibayeke; ngokuba eli cebo, nalo msebenzi, ukuba lingaba lelabantu, lotshitsha:

39ukuba ke lelikaThixo, aninakulitshitshisa; hleze nifunyanwe ningábalwá kwanoThixo.

40Bamthambela ke; bebabizile abapostile, babatyabula, babathethela ngelithi, mabangathethi ngegama likaYesu; babandulula ke.

41Bemka ke ngoko bona ebusweni bentlanganiso yamatyala, bevuya, ngokuba kuthiwe bakufanele ukuhlaziswa ngenxa yegama lakhe.

42Kananjalo imihla yonke etempileni, nasemakhaya, babengayeki ukufundisa nokushumayela iindaba ezilungileyo zokuba uYesu unguye uKristu.

IZenzo 6

Ukunyulwa kwabasixhenxe

1Ke kaloku ngaloo mihla, bakubon' ukuba bayanda abafundi, kwabakho ukukrokra kwawesiGrike amaYuda ngakwawesiHebhere, ngokuba abahlolokazi bawo babesiléla ekulungiselelweni kwemihla ngemihla.

2Bathe ke abalishumi elinababini bawubizela kubo umhlambí wabafundi, bathi, Akukholekile ukuba thina silishiye ilizwi likaThixo, silungiselele ezitafileni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Khangelani ngoko, bazalwana, amadoda kuni abe sixhenxe, angqinelwe ukulunga,
ezele nguMoya oyiNgcwele nabubulumko, esiya kuwamisela lo msebenzi;

4ke thina siya kuzingisa ekuthandazeni nasekulungiseleleni ilizwi.

5Lakholeka ilizwi elo emehlweni omhlambi lowo wonke; banyula uStefano, indoda
ezele lukholo nanguMoya oyiNgcwele, noFilipu, noProkoro, noNikanore, noTimon,
noParmena, noNikolawo wakwa-Antiyokwe owabengene ebuYudeni:

6ababamisayo emehlweni abapostile; bathi bakuthandaza, bazibeka izandla phezu
kwabo.

7Laye liya likhula ilizwi likaThixo, liya lisanda kakhulu inani labafundi eYerusalem; laye
neqela elikhulu lababingeleli lilululamela ukholo.

Ukuhlaselwa kukaStefano

8Ke kaloku uStefano, ezele lukholo nangamandla, wayesenza izimanga nemiqondiso
emikhulu phakathi kwabantu.

9Kwesuka ke abathile basesikhungwini ekuthiwa sesabaKhululwa, nabaseKirene,
nabakwa-Alesandire, nabathile belaseKiliki, nabelaseAsiya, bephikisana noStefano;

10àbaba namandla akumelana nabo ubulumko noMoya, awayethetha ngaye.

11Kwakuba njalo, banyebelezisa amadoda awathi, Simve ethetha amazwi okunyelisa
uMoses noThixo.

12Kanjalo babahlokohla abantu, kwanamadoda amakhulu nababhali; baza bemfikele
bamthi hlasi, bamsa ematyaleni amakhulu.

13Bamisa namangqina obuxoki, awathi, Lo mntu akayeki ukuthetha amazwi
okunyelisa indawo engcwele nomthetho; kuba simve esithi,

14UYesu waseNazarete lo uya kuyichitha le ndawo, awenze wambi amasiko
awawanikela kuthi uMoses.

15Bonke ababehleli entlanganisweni yamatyala, beqwalasele kuye, babubona ubuso
bakhe, ngathi bubuso besithunywa sezulu.

IZenzo 7

Intetho kaStefano

1Wathi ke umbingeleli omkhulu, Zinjalo na ke ezi ndawo?

2Uthe ke yena: Madoda, bazalwana, nani bobawo, phulaphulani. UThixo wozuko
wabonakala kubawo wethu uAbraham, ekwelaseMesopotami, phambi kokuma
kwakhe kwelakwaHaran,

3wathi kuye, Phuma kuwo umhlaba wakowenu nasemizalwaneni yakho, uze
emhlabeni endingákubonisa wona.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Waza waphuma ke emhlabeni wamaKaledi, wema kwelakwaHaran. Emveni kokufa
kukayise, wamsusa apho, wamfudusela kuló mhlaba nimiyo kuwo nina ngoku.

5Akamnika lifa kuwo, kwanendawo engangonyawo; kodwa wambeka ngedinga
lokuba uya kumnika ube ngowakhe, nembewu yakhe emva kwakhe, phofu engekabi
namntwana.

6Ke kaloku wenjenje uThixo ukuthetha, wathi, imbewu yakhe iya kuba
ngabaphambukeli emhlabeni wabasemzini; baya kuyenza amakhoboka, bayiphathe
kakubi iminyaka engamakhulu omané.

7Nohlanga olo, ethe yangamakhoboka kulo, ndiya kulugweba mna, watsho uThixo;
yaye, emveni kwezi zinto, iya kuphuma indikhonze kule ndawo.

8Waza wamnika umnqophiso wolwaluko; wathi yena ekuwo, wazala uIsake,
wamalùsa ngomhla wesibhozo, waza uIsake wamenjenjalo uYakobi, waza
noYakobi wabenjenjalo oomawokhulu abalishumi elinababini.

9Bathi oomawokhulu, bemmonele uYosefu, bathengisa ngaye, bamsingisa eYiputa;
kodwa uThixo waba naye,

10wamncothula kuzo zonke iimbandezelo zakhe, wambabala ngobulumko phambi
koFaro, ukumkani waseYiputa; wammisa ukuba abe yirhuluneli phezu kweYiputa
nendlu yakhe iphela.

11Ke kaloku kwafika indlala kuwo umhlaba waseYiputa uphela, nowakwaKanan,
nembandezelo enkulu; baye oobawo bethu bengafumani kudla.

12Akuva ke uYakobi ukuba kukho ingqolowa eYiputa, wesusa oobawo bethu
okokuqala.

13Wathi ngokwesibini, uYosefu wabuya waziwa ngabazalwana bakhe, saza isizalwane
sikaYosefu saveliswa kuFaro.

14Wathumela ke uYosefu wambiza uyise uYakobi, nabo bonke abazalana naye,
bayimiphefumlo engamashumi osixhenxe anesihlanu.

15Wehla ke uYakobi, waya eYiputa, wabhubha yena noobawo bethu;

16baza bathwalwa basiwa kwaShekem, babekwa engcwabeni awalithengayo
uAbraham ngexabiso lemali koonyana bakaHamore, usoShekem.

17Lithe ke, lakuba lisondele ixesha ledinga, awalifungayo uThixo kuAbraham, bakhula
abantu, banda eYiputa,

18kwada kwavela kumkani wumbi, ubengamazi uYosefu.

19Lowo wabalumkisa abakowethu, wabaphatha kakubi oobawo bethu, ngokokuze
bazilahle iintsana zabo, ukuze zingabudli ubomi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Ekuthe ke kwelo xesha, kwazalwa uMoses; waye emhle kuThixo, wondliwa iinyanga zantathu endlwini kayise.

21Elahliwe ke, yamchola intombi kaFaro, yazondlela ukuba abe ngunyana wayo.

22Waqeqeshwa ke uMoses kubo bonke ubulumko bamaYiputa; waye ke eyinkunkqele ngamazwi nangemisebenzi.

23Kuthe ke, kwakuzaliseka kuye ixesha leminyaka engamashumi amané, kwathi qatha entliziyweni yakhe ukukha aye kuvelela abazalwana bakhe, oonyana bakaSirayeli.

24Waza, akubona othile esoniwa, wamhlanganisela, wamphindezelela lowo ucinezelweyo ngokumthi qwaka umYiputa:

25wayeba ke yena boqonda abazalwana bakhe ukuba uThixo ebeya kubasindisa ngesandla sakhe; abaqondanga ke bona.

26Kananjalo ngengomso wabonakala kubo besilwa, wabanyanzela ukuba baxolisane, esithi, Madoda, niyazalana nina; yini na ukuba nonane?

27Uthe ke yena owayemonile uwabo wamgiba, esithi, Umiswe ngubani na ukuba ube ngumphathi nomahluli phakathi kwethu?

28Ungaba wena ufuna ukundisika na, ngohlobo omsike ngalo umYiputa izolo?

29Wasaba ke uMoses ngelo lizwi, wangumphambukeli emhlabeni wakwaMidiyan, apho wazalela khona oonyana bababini.

30Kuthe ke kwakuzaliseka iminyaka emashumi mané, kwabonakala kuye kwintlango yentaba yeSinayi isithunywa seNkosi, elangatyeni lomlilo etyholweni.

31Ke kaloku, akukubona oko uMoses, wamangaliswa ngumbono lowo. Kuthe ke, akusondela ukuba awuqiqe, kwafika izwi leNkosi kuye lisithi,

32Mna ndinguThixo wabo ooyihlo, uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi. Wesuka ke wagubha uMoses, akaba nabuganga bakuwuqiqa.

33Ithe ke kuye iNkosi, Zithukulule iimbadada ezinyaweni zakho; kuba indawo leyo umi kuyo ingumhlaba ongcwele.

34Ndikubonile ndakubona ukuphathwa kakubi kwabantu bam abaseYiputa, ndakuva nokuncwina kwabo; ndihlile, ukuze ndibahlangule. Yiza ngoku, ndikuthume eYiputa.

35Lo Moses bamkhanyeláyo, besithi, Ùmiswe ngubani na, ukuba ube ngumphathi nomahluli? uThixo wathuma yena, ukuba abe ngumphathi nomhlanguli ngesandla sesithunywa esabonakalayo kuye etyholweni.

36Yena lowo wabakhupha, akubon' ukuba wenzé izimanga nemiqondiso emhlabeni waseYiputa, naseLwandle oluBomvu, nasentlango, iminyaka engamashumi omané.

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Lowo nguloo Moses wathi koonyana bakaSirayeli, INkosi, uThixo wenu, iya kunivelisela umprofeti kubazalwana benu, onjengam nje; nize nimve yena.

38Nguye lowo owayephakathi kwalo ibandla entlango, ndawonye nesithunywa sezulu, ebesithetha naye entabeni yeSinayi, noobawo bethu; owamkelayo izihlabo zobomi, ukuze azinikele kuthi;

39abangathandanga kumlulamela oobawo bethu, besuka bamgiba, babuyela eYiputa ngeentliziyo zabo,

40besithi kuAron, Senzele oothixo abaya kuhamba phambi kwethu; kuba lo Moses wasikhuphayo emhlabeni waseYiputa, asiyazi into emhleleyo.

41Benza ithole ngaloo mihla, benyusa amadini, bawasa esithixweni eso, baba nemihlali yimisebenzi yezabo izandla.

42Wajika ke uThixo, wabanikela ukuba bakhonze umkhosi wezulu; njengoko kubhaliweyo encwadini yabaprofeti kwathiwa, Ningaba nisondezé kum imibingelelo neminikelo yini na Iminyaka emashumi mané entlango, ndlu kaSirayeli?

43Nathwala umnquba kaMoleki, Nenkwenkwezi yothixo wenu uRemfan, Imifanekiso ke leyo enayenzayo ukuba niqubude kuyo; Ndaye ke ndiya kunifudusela ngaphaya kweBhabheli. (UAm. 5:25-27)

44Umnquba wesingqino wawukoobawo bethu entlango, njengoko wayemisele ngako owayethetha noMoses, ukuba awenze ngokomfanekiso abewubonile;

45lo kanjalo bawungenisáyo, benikelana ngawo oobawo bethu, benoYoshuwa ekuthinjweni kweentlanga, ezo wazigxothayo uThixo ebusweni boobawo bethu, kwada kwayimihla kaDavide;

46owababalwayo nguThixo, wacela ukuba amfumanele uThixo kaYakobi umnquba.

47NguSolomon ke owamakhela indlu.

48Noko Osenyangweni yena akemi zitempileni zenziwe ngazandla; njengokuba esitsho umprofeti ukuthi,

49Izulu liyitrone yam, Ke ihlabathi sisihlalo seenyawo zam; Yindlu enjani na eniya kuyakhela mna? itsho iNkosi; Yiyiphi na yona indawo yokuphumla kwam?

50Àsisisandla sam na, esenza zonke ezo zinto? (UIsaya 66:1,2)

51Nina bantamo zilukhuni, bangalukileyo ngentliziyo, nangendlebe, nihleli nibambene noMoya oyiNgcwele; njengabo ooyihlo, nani ninjalo.

52Kubo abaprofeti nguwuphi na ongatshutshiswanga ngooyihlo? Bababulala ababexela ngenxa engaphambili ukuza koliLungisa; enithe kalokunje naba ngabanikeli nababulali bakhe;

53nina nawamkelayo umthetho, niwumiselwa zizithunywa zezulu, anawugcina.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ukufa kukaStefano

54Ke kaloku, bathi bakuziva ezi zinto, bahlabeka ezintliziyweni zabo, bamtshixizela amazinyo.

55Ke yena, ezele nguMoya oyiNgcwele, waqwalasela ezulwini, wabona ubuqaqawuli bukaThixo, noYesu emi ngasekunene kukaThixo.

56Wathi, Yabonani, ndiwabona amazulu evulekile, ndimbona uNyana woMntu emi ngasekunene kukaThixo.

57Badanduluka ke ngezwi elikhulu, bazivingca iindlebe zabo, besuka indulumbane phezu kwakhe ngamxhelo mnye,

58bamkhuphela ngaphandle komzi, bamgibisela ngamatye. Amangqina azibeka iingubo zawo ezinyaweni zendodana ekuthiwa nguSawule.

59Ayemgibisela ngamatye uStefano, yena ebiza esithi, Nkosi Yesu, wámkele umoya wam.

60Uguqile ke ngamadolo, wadanduluka ngezwi elikhulu, wathi, Nkosi, ungabamiseli esi sono. Akutsho, walala ubuthongo.

IZenzo 8

Ukutshutshiswa nokuchithwachithwa kwamaKristu

1Waye ke uSawule ekuthakazela ukusikwa kwakhe. Ke kaloku kwehla ngaloo mhla intshutshiso enkulu phezu kwalo ibandla eliseYerusalem; kanjalo bonke baba ziintsali emazweni akwaYuda naseSamariya, kwasala abapostile bodwa.

2Amthwala ke uStefano amadoda amoyikayo uThixo, aya kumngcwaba, amenzela isililo esikhulu.

3Waye ke uSawule elidlavula ibandla, engena kwizindlu ngezindlu, erhola amadoda kwanabafazi, ebafaka entolongweni.

UFilipu eSamariya

4Bona ke ngoko ababeziintsali batyhutyha ilizwe, beshumayela iindaba ezilungileyo zelizwi.

5Wehla ke uFilipu, waya emzini welaseSamariya, wamvakalisa uKristu kubo.

6Zaye kanjalo izihlwele zizinyamekela ngamxhelo mnye izinto ezibe zithethwa nguFilipu, ekuyiveni nasekuyiboneni kwazo imiqondiso abeyenza.

7Kuba oomoya abangcolileyo babephuma kwinto eninzi ebinabo, bebhomboloza ngezwi elikhulu; yathi ke into eninzi enedumbe neziziqhwala yaphiliswa.

8Kwabakho uvuyo olukhulu kuloo mzi.

USimon umnyangi

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ke kaloku bekukho ndoda ithile, igama linguSimon, kwangaphambili kuloo mzi,
ebinyanga, ibethe luthi nqa uhlanga lwaseSamariya, isithi yona ngokwayo inguthile
omkhulu;

10ababeyiphulaphula bonke, bethabathela komncinane base komkhulu, besithi, Lo
ungamandla kaThixo amakhulu.

11Baye ke bemphulaphula, ngenxa yokuba ixesha elide wabetha bee nqa
ngobunyangi bakhe.

12Xenikweni ke bakholwáyo nguFilipu, eshumayela iindaba ezilungileyo zezinto
zobukumkani bukaThixo, nezegama likaYesu Kristu, babhaptizwa amadoda
kwanabafazi.

13Wakholwa ke kwanaye uSimon; wathi akubhaptizwa, wazingisa ukuhlala noFilipu,
ebona imiqondiso kwanemisebenzi emikhulu yamandla isenzeka, wathi nqa.

UPetros noYohane eSamariya

14Ke kaloku, bakuva abapostile ababeseYerusalem, ukuba abaseSamariya balamkele
ilizwi likaThixo, bathuma uPetros noYohane kubo;

15abathi bona bakuhla, babathandazela, ukuba bamkele uMoya oyiNgcwele;

16kuba ebengekaweli namnye kubo; babebhaptizelwe nje kodwa egameni leNkosi
uYesu.

17Bandula ukubeka izandla phezu kwabo, bamamkela ke uMoya oyiNgcwele.

18Ke kaloku uSimon, akubona ukuba ngokubekwa kwezandla zabapostile uyanikwa
uMoya oyiNgcwele, wezisa kubo imali, esithi,

19Ndinikeni nam eli gunya, ukuze lowo, ndithe ndazibeka izandla phezu kwakhe,
amkele uMoya oyiNgcwele.

20Uthe ke uPetros kuye, Isilivere yakho mayiye kutshabalala nawe; ngokuba ububa
isipho sikaThixo singázuzwa ngemali.

21Akunasahlulo nasabelo kule nto; kuba intliziyo yakho ayithe tye emehlweni
kaThixo.

22Guquka ngoko kobo bubi bakho, ukhunge kuThixo, ukuba ingáthi mhlawumbi
ixolelwe ingcingane yentliziyo yakho.

23Kuba ndiyabona ukuba usenyongweni yobukrakra, nasentanjeni
yentswelabulungisa.

24Waphendula ke uSimon wathi, Ndikhungeleni nina eNkosini, ukuze ndingahlelwa
nanye yezo zinto nizithethileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Bona ke ngoko, bakuba beqononondisile, belithetha ilizwi leNkosi, babuya beza eYerusalem; kanjalo imizi emininzi yelaseSamariya bayishumayeza iindaba ezilungileyo.

UFilipu nethenwa elingumTiyopiya

26Ke kaloku kwathetha isithunywa seNkosi kuFilipu, sisithi, Suka usinge ezantsi, ngendlela ehla ivela eYerusalem, eya eGaza, yona iyintlango.

27Usukile ke waya. Kwavela indoda engumTiyopiya, ithenwa, isikhulu sikaKandase, ukumkanikazi wamaTiyopiya, ebiphethe bonke ubutyebi bakhe, eyayize kunqula uThixo eYerusalem.

28Yayibuya, ihleli enqwelweni yayo, ilesa incwadi yomprofeti uIsaya.

29Uthe ke uMoya kuFilipu, Yiya ukhwele kule nqwelo.

30Wabaleka ke uFilipu, waya kuyo, wayiva ilesa incwadi yomprofeti uIsaya; wathi, Ùyaziqonda na kodwa izinto ozilesayo?

31Ithe ke yona, Ndingaba nako ngani na, kungekho undikhokelayo nje? Kanjalo yambongoza uFilipu ukuba akhwele ahlale nayo.

32Ke kaloku indawo yesibhalo eyayilesa yona ibiyile ithi, Njengemvu esiwa ekuxhelweni, Njengemvana esisimumu phambi komchebi wayo, Wenjenjalo yena ukungawuvuli umlomo wakhe.

33Ekuthobekeni kwakhe umgwebo wakhe wasuswa; Ngubani na ke owosicacisa ukusixela isizukulwana sakhe? Ngokuba buyasuswa ubomi bakhe emhlabeni. (UIsaya 53:7,8)

34Laphendula ke ithenwa lathi kuFilipu, Ndiyakukhunga, umprofeti lo uyithetha ngabani na le nto; uzithetha yena na, uthetha mntu wumbi, kusini na?

35Wawuvula ke uFilipu umlomo wakhe, waqalela kweso sibhalo, walishumayeza iindaba ezilungileyo zikaYesu.

36Ke kaloku, xa bahambayo ngendlela, bafika manzini athile; lathi ithenwa, Nanga amanzi; kwala ntoni na ukuba ndingabhaptizwa?

37Uthe ke uFilipu, Ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho iphela, kuvumelekile. Laphendula ke lathi, Ndiyakholwa ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo.

38Lathi mayime inqwelo; behla bobabini, baya emanzini, uFilipu kwanethenwa; walibhaptiza.

39Xeshikweni ke babenyukile, baphuma emanzini, uMoya weNkosi wamthi xwi uFilipu; alaba sambona ithenwa, kuba lalihamba ngeyalo indlela livuya.

40UFilipu ke wafunyanwa eAzoto; watyhutyha ilizwe, eyishumayeza imizi yonke iindaba ezilungileyo, wada weza eKesareya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IZenzo 9

Inguquko kaSawule eDamasko

1Ke kaloku uSawule, esabafuthela ngeentsongelo neembulalo abafundi beNkosi,
waya kumbingeleli omkhulu;

2wacela kuye iincwadi zokuya eDamasko ezindlwini zesikhungu, ukuze athi, ethe
wafumana abathile bale Ndlela, amadoda kwanabafazi, abazise bekhonkxiwe
eYerusalem.

3Kuthe ke ekuhambeni kwakhe, wasondela eDamasko; waza ngesiquphe
wabanekelwa ngeenxa zonke lukhanyiso oluvela ezulwini;

4wawa emhlabeni, weva izwi lisithi kuye, Sawule, Sawule, unditshutshiselani na?

5Wathi ke yena, Ungubani na, Nkosi? Ithe ke iNkosi, Mna ndinguye uYesu
omtshutshisayo wena; wenzakala, ukhaba iimviko nje.

6Waza egubha, eqhiphuke umbilini, wathi, Nkosi, ufuna ukuba ndenze ntoni na?
Yathi iNkosi kuye, Vuka, uye kungena emzini lowo; woyixelelwa into omelwe
kukuyenza.

7Ke kaloku amadoda abehamba naye ema engenakuthetha, eliva okunene lona izwi,
kodwa engaboni mntu.

8Wavuka ke uSawule emhlabeni; wathi akuvulwa amehlo akhe, akabona mntu;
bamrhola ke ngesandla, baza kumngenisa eDamasko.

9Waye emihla mithathu engaboni, engadli, engaseli nokusela.

10Ke kaloku bekukho mfundi uthile eDamasko, ugama linguHananiya; yathi iNkosi
kuye embonweni, Hananiya.

11Uthe ke yena, Ndilapha, Nkosi. Ithe ke iNkosi kuye, Phakama, uye esitratweni
ekuthiwa sesithe Tye, ubúzise endlwini kaYuda umntu ogama linguSawule
waseTarso; kuba nanko ethandaza;

12waye ebone embonweni indoda egama linguHananiya ingena, ibeka isandla phezu
kwakhe, ukuze abuye abone.

13Uphendule ke uHananiya wathi, Nkosi, ndivile kwabaninzi ngale ndoda, ukuba
zinkulu kwazo izinto ezimbi ezenzé kwabangcwele bakho eYerusalem;

14nalapha, ikho nje, inegunya kubabingeleli abakhulu lokukhonkxa bonke abo
balinqulayo igama lakho.

15Yathi ke kuye iNkosi, Yiya; ngokuba lowo usisitya esinyuliweyo ndim, sokuphatha
igama lam emehlweni eentlanga, nookumkani, kwanoonyana bakaSirayeli;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16kuba mna ndiya kumbonisa ukuba zinkulu kwezinto ezinzima, amelwe kukuziva
ngenxa yegama lam.

17Wemka ke uHananiya, waya kungena endlwini; ebeke izandla phezu kwakhe,
wathi, Sawule, mzalwana, indithumile iNkosi uYesu, ebonakele kuwe endleleni oze
ngayo, ukuze ubuye ubone, uzaliswe nguMoya oyiNgcwele.

18Kwaoko kwawa emehlweni akhe izinto ezingathi ziinkwethu; wabuya wabona
kwaoko, wavuka, wabhaptizwa;

19wathi akuba edlile, womelezeka. Ke kaloku uSawule waba nemihla ethile kubafundi
abaseDamasko.

20Waye kwaoko, ezindlwini zesikungu, emvakalisa uYesu, ukuba lowo unguye
uNyana kaThixo.

21Bathi nqa ke bonke abamvayo, bathi, Lo kanene asinguye na owababhuqa
eYerusalem abo babelinqula eli gama? Waye nalapha ezele le nto, ukuba abase
bekhonkxiwe kubabingeleli abakhulu.

22Kwaba kukhona ke womelelayo uSawule; wabetha adubadubeka amaYuda abemi
eDamasko, ebonakalalisa ukuba lo nguye uKristu.

23Ke kaloku, kwakuzaliseka imihla eyaneleyo, abhunga amaYuda ukuba amsike.

24Laziwa ke nguSawule iyelenqe lawo elo. Àwagcina ke namasango imini nobusuku,
ukuba amsike.

25Bamthabatha ke abafundi ebusuku, bamhlisa ngodonga, bemthoba ngengobozi.

USawule eYerusalem naseTarso

26Ke kaloku, akufika uSawule eYerusalem, wamana elinga ukuzibandakanya
nabafundi; kodwa bamoyika bonke, bengakholwa ukuba ungumfundi.

27UBharnabhas ke wamthabatha wamsa kubapostile, wabacacisela ukuyibona
kwakhe iNkosi endleleni, nokuba yathetha naye, nokuthetha kwakhe
ngokungafihlisiyo eDamasko egameni likaYesu.

28Waye enabo ke, engena ephuma eYerusalem, ethetha ngokungafihlisiyo egameni
leNkosi uYesu.

29Wamana ethetha ephikisana namaYuda esiGrike; ayezamela ke wona ukumsika.

30Bekwazile ke oko abazalwana, bamhlisela eKesareya, bamthumela eTarso.

31Laye ke ngoko ibandla kulo lonke elakwaYuda, nelaseGalili, nelaseSamariya,
linoxolo, lisakheka, lihamba liyoyika iNkosi; laye lisanda ngentuthuzelo yoMoya
oyiNgcwele.

UPetros uyaphilisa eLida

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Ke kaloku, akuba uPetros etyhutyha iindawo zonke, wehla weza nakwabangcwele ababemi eLida.

33Wafumana ke khona umntu othile, ogama linguEneya, eminyaka isibhozo elele elukhukweni enedumbe.

34Wathi uPetros kuye, Eneya, úyakuphilisa uYesu Kristu; vuka, wandlule. Wavuka kwaoko.

35Bambona bonke ababemi eLida naseSharon, babuyela eNkosini.

UDorkas

36Ke kaloku, eYopa kwakukho mfundikazi uthile, ugama linguTabhita, ekuthiwa ngentetho evakalayo nguDorkas; yena lowo wayezele yimisebenzi elungileyo, nasisisa abenaso.

37Wathi ke ngaloo mihla, wahliwa sisifo, wafa; bathe ke bakuba bemhlambile, bambeka egumbini eliphezulu.

38Ke kaloku iLida ibikufuphi nje neYopa; bathi abafundi, bevile ukuba uPetros ukhona, bathuma amadoda amabini kuye, bembongoza ukuba eze kubo, angalibali.

39Wesuka ke uPetros, wahamba nawo. Efikile, bamsa egumbini eliphezulu; bema ngakuye bonke abahlolokazi, belila, bembonisa ukuba zininzi kwazo iingubo zangaphantsi nezokwaleka abezenza uDorkas oko ebenabo.

40Wabakhuphela phandle ke bonke uPetros, waguqa ngamadolo, wathandaza; waza eguqukele esidumbini wathi, Tabhita, vuka. Wawavula ke amehlo akhe; wathi akubona uPetros, wesuka wahlala.

41Wamnika ke isandla sakhe, wamphakamisa; wababiza abangcwele nabahlolokazi abo, wammisa phambi kwabo ephilile.

42Kwesuka ke oko kwazeka kuyo yonke iYopa; baba baninzi abakholwayo eNkosini.

43Wathi ke wahlala imihla emininzi eYopa naSimon uthile, ungumsuki wezikhumba.

IZenzo 10

UPetros noKorneli

1Ke kaloku, kwaye kukho eKesareya ndoda ithile, igama linguKorneli, umthetheli-khulu wasebuthweni lamasoldati ekuthiwa lelaseItali,

2emhlonelayo, emoyikayo uThixo, kunye nayo yonke indlu yayo; ibaliza abantu kunene; kanjalo yayimana ikhunga kuThixo.

3Yabona embonweni kakuhle, malunga nelixa lesithoba lemini, kufika kuyo isithunywa sikaThixo, sisithi kuyo, Hina, Korneli!

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Eqwalasele ke kuso, wangenelwa kukoyika, wathi, Yintoni na, Nkosi? Sithe ke kuye,
Imithandazo yakho namalizo akho anyukile, aba sisikhumbuzo emehlweni kaThixo.

5Susa kwangoku amadoda, aye eYopa, ubize eze uSimon, ogama limbi linguPetros;
yena ulundwendwe lukaSimon,

6umsuki wezikhumba, ondlu ingaselwandle; yena lowo úya kukuxelela into omelwe
kukuyenza.

7Ke kaloku, sakuba simkile isithunywa eso besithetha noKorneli, wabiza zazibini
kwizicaka zakhe zasendlwini, nesoldati elimhlonelayo uThixo kwabehlala ehleli naye;

8waza, ebacacisele zonke iindawo, wabathuma eYopa.

9Ke kaloku ngengomso, bakubon' ukuba basendleleni bona, besondela kuwo umzi,
wenyuka uPetros, waya phezu kwendlu, malunga nelixa lesithandathu, ukuba
athandaze.

10Wesuka ke walamba kakhulu, wanga angakhe afumane into edliwayo; kuthe ke,
bakubon' ukuba ke bayamlungisela, wawelwa lithongo:

11wabona izulu livulekile, kusihla phezu kwakhe sitya sithile, ngathi yilinen enkulu
ebotshwe kumasondo omané, sithotyelwa emhlabeni;

12ekwaye kukho kuso zonke izinto zomhlaba ezizitho ziné, namarhamncwa,
nezinambuzane, neentaka zezulu.

13Kwabakho izwi lisithi kuye, Vuka, Petros, xhela udle.

14Uthe ke uPetros, Nakanye, Nkosi; ngokuba yonke into eyinqambi, nokuba
yengcolileyo, andizanga ndiyidle.

15Laphinda izwi okwesibini lathi kuye, Izinto uThixo azihlambululeyo, musa ukuzenza
inqambi wena.

16Kwabakho ke oku kathathu; sabuya isitya eso senyuswa, sasiwa ezulwini.

17Ke kaloku, xa uPetros wayethingaza ngaphakathi kwakhe, ukuba ungaba uyintoni
na umbono lo awubonileyo, kwasuka kwathi gqi amadoda abethunyiwe evela
kuKorneli, ebuza indlu kaSimon, emi esangweni;

18akhwaza, ebuza ukuba uSimon, ogama limbi linguPetros, ulundwendwe apha na.

19Ke kaloku, akubon' ukuba uPetros uyacinga ngawo umbono lowo, wathi uMoya
kuye, Nanga amadoda amathathu ekufuna;

20suka uhle, uhambe nawo, ungathandabuzi nento, ngokokuba athunywe ndim.

21Wehla ke uPetros, waya kuwo amadoda abethunyiwe kuye evela kuKorneli, wathi,
Niyabona, ndingulowo nimfunayo; ngumcimbi mni na enize ngawo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Athe ke wona, UKorneli umthetheli-khulu, indoda elilungisa, emoyikayo uThixo, kanjalo engqinelwe ukulunga lulo lonke uhlanga lwamaYuda, uhlatyelwe sisithunywa esingcwele ukuba akubize, uze endlwini yakhe, eve amazwi kuwe.

23Wawabizela phakathi ngoko, aba lundwendwe lwakhe. Ke kaloku ngengomso, uPetros wemka nawo, nabazalwana abathile baseYopa bahamba naye.

24Baza ngengomsomnye bangena eKesareya. Waye ke uKorneli ebalindile; wayebizele ndawonye imizalwane yakhe, nezihlobo zakhe ezibuhlungu.

25Kwathi ke, xa angenayo uPetros, uKorneli wamhlangabeza, wawa ezinyaweni zakhe, waqubuda kuye.

26Uthe ke uPetros wamvusa, esithi, Phakama; nam ngokwam ndingumntu.

27Wangena encokola naye, wabafumana bebuthelene bebaninzi.

28Kananjalo wathi kubo, Niyazi kakuhle nina, ukuba akusesikweni ukuthi indoda engumYuda inamathele isondele kowolunye uhlanga; mna ke uThixo undibonisile, ukuba ndingàbizi mntu ngokuthi uyinqambi, ungongcolileyo.

29Kungoko ke ndizileyo ndingaphikanga ndakubizwa. Ndizile ke; ndiyabuza ngoko, ukuba nindibize ngandawoni na?

30UKorneli wathi, Kuse kuntsuku né ndizila ukudla, kwada kwaleli lixa lemini. Ngelixa lesithoba ke bendithandaza endlwini yam, kwesuka kwathi gqi indoda, yema phambi kwam, inengubo eqaqambileyo; yathi,

31Korneli, umthandazo wakho uviwe, namalizo akho akhunjulwe phambi koThixo; thumela ngoko eYopa,

32ubize eze uSimon, ogama limbi linguPetros; lowo ulundwendwe endlwini kaSimon, umsuki wezikhumba, ngaselwandle; oya kuthi akufika athethe nawe.

33Ndathumela ngoko kuwe kwaoko; nawe utyaphile ufike. Kaloku ngoko sikho thina sonke emehlweni kaThixo, ukuze sizive zonke izinto ozimiselweyo nguThixo.

Intetho kaPetros

34Ke kaloku uPetros wawuvula umlomo wakhe wathi, Ndiyaqiqa okwenyaniso ukuba uThixo akamkhethi wabuso bamntu;

35kwiintlanga zonke, lowo umoyikayo, asebenze ubulungisa, wamkelekile kuye.

36Ilizwi elo walithumelayo koonyana bakaSirayeli, eshumayela iindaba ezilungileyo zoxolo ngoYesu Kristu (nguye iNkosi yabo bonke),

37nina niyalazi ilizwi elenzekayo kulo lonke elakwaYuda, liqalela kwelaseGalili, emva kobhaptizo awaluvakalisayo uYohane:

© 1975 Bible Society of South Africa.

38okokuba uThixo wamthambisa ngoMoya oyiNgcwele nangamandla uYesu waseNazarete, owagqiba ilizwe esîza, ephilisa bonke abaxinzelelweyo nguye uMtyholi; ngokuba uThixo ubenaye.

39Thina singamangqina ezinto zonke awazenzayo ezweni lamaYuda, kwanaseYerusalem; abamsikáyo ngokumxhoma emthini.

40Yena lowo uThixo wamvusa ngomhla wesithathu, wenza ukuba abonakale,

41kungekubo abantu bonke, kukumangqina abenyuliwe ngenxa engaphambili nguThixo: kuthi thina, sadlayo saselayo naye emveni kokuvuka kwakhe kwabafileyo.

42Wasithethela ngelithi, masivakalise ebantwini, siqononondise ukuba yena nguye omisiweyo nguThixo, ukuba abe ngumgwebi wabaphilileyo nabafileyo.

43Bonke abaprofeti bayamngqinela yena lo, ukuba, ngegama lakhe, bamkeliswa uxolelo lwezono bonke abakholwayo kuye.

Abeentlanga bamkela uMoya oyiNgcwele babhaptizwe

44Uthe akubon' ukuba usawathetha uPetros la mazwi, wasuka wabawèla uMoya oyiNgcwele bonke ababeliva ilizwi.

45Amangaliswa amakholwa olwaluko onke abeze noPetros; ngokuba isipho soMoya oyiNgcwele sathululwa naphezu kweentlanga;

46kuba aziva zithetha ngalwimi zimbi, zimenza mkhulu uThixo. Wandula waphendula uPetros wathi,

47Kukho unako yini na ukuthintela amanzi, ukuba bangàbhaptizwa aba bamamkeleyo uMoya oyiNgcwele, kwanjengathi nje?

48Wamisa ukuthi mababhaptizwe egameni leNkosi. Baza bamcela ukuba akhe ahlale iintsuku ezithile.

IZenzo 11

UPetros uthethelela isenzo sakhe

1Ke kaloku, abapostile nabazalwana ababekwelakwaYuda beva ukuba nazo iintlanga zilamkele ilizwi likaThixo.

2Uthe ke uPetros akuba enyuke waya eYerusalem, babambana naye abolwaluko, besithi,

3Ùye wangena kumadoda angalukileyo, wadla nawo.

4Waqala ke uPetros wabatyhilela ngokucacileyo, esithi,

5Mna ndandisemzini oyiYopa ndithandaza; ndabona ethongweni umbono, kusihla isitya esithile, ngathi yilinen enkulu, ithotywa ezulwini ngamasondo omané, yada yaza kufika kum;

© 1975 Bible Society of South Africa.

6endithe ndakuqwalasela kuyo, ndaqiqa, ndabona izinto zomhlaba ezizitho ziné,
namarhamncwa, nezinambuzane, neentaka zezulu.

7Ndeva ke izwi lisithi kum, Vuka, Petros, xhela udle.

8Ndithe ke mna, Nakanye, Nkosi; ngokuba yonke into eyinqambi, nokuba
yengcolileyo, ayizanga ingene emlonyeni wam.

9Landiphendula ke ilizwi okwesibini, liphuma ezulwini, lathi, Izinto azihlambululeyo
uThixo, musa ukuzenza iinqambi wena.

10Oku ke kwabakho kathathu; zaza zonke ezo zinto zabuya zarholelwa ezulwini.

11Gqi! kwaoko amadoda amathathu, ema ngasendlwini ebendikuyo, esuswe
eKesareya ukuba eze kum.

12Wathi ke uMoya kum, mandihambe nawo, ndingathandabuzi nto. Bahamba ke
nam, naba bazalwana bobathandathu; sangena endlwini yendoda leyo;

13yasibikela kananjalo ukubona kwayo isithunywa sezulu endlwini yayo, esemayo
sathi kuyo, Thuma amadoda eYopa, ubize eze uSimon, ogama limbi linguPetros, oya
kuthetha kuwe amazwi,

14owosindiswa ngawo wena, nayo yonke indlu yakho.

15Ke kaloku, ekuqaleni kwam ukuthetha, uMoya oyiNgcwele wabawèla, njengoko
wasiwelayo nathi ekuqaleni.

16Ndakhumbula ke izwi leNkosi lokokuba ibithe, UYohane okunene wabhaptiza
ngamanzi, kodwa nina niya kubhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele.

17Ukuba ngoko uThixo wabapha isipho esingangeso wasiphayo nathi thina
sakholwayo eNkosini uYesu Kristu, mna ke bendingubani na, ukuba ndide ndibe nako
ukumthintela uThixo?

18Bakuziva ke ezo zinto, bathi cwaka, bamzukisa uThixo, besithi, Kanti na ke
neentlanga ezi uThixo uziphe ukuguqukela ebomini.

Ibandla labeentlanga kwa-Antiyokwe

19Abaya ke ngoko, bàbeziintsali ngembandezelo eyabakho ngoStefano, batyhutyha
ilizwe, bada beza kwelaseFenike, naseSipro, nakwa-Antiyokwe, bengalithethi
bantwini bambi, belithetha kumaYuda odwa.

20Yaye ke inxenye kubo ingamadoda aseSipro naseKirene; eyathi yona yakufika kwa-
Antiyokwe, yathetha kwawesiGrike amaYuda, ishumayela iindaba ezilungileyo
zeNkosi uYesu.

21Saye ke isandla seNkosi sinawo, kanjalo kwakholwa inani elikhulu, labuyela
eNkosini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Lwavakala ke udaba lwabo ezindlebeni zebandla laseYerusalem; bakhupha uBharnabhas, ukuba ahambe, ade aye kufika kwa-Antiyokwe;

23othe akufika, walubona ubabalo lukaThixo, wavuya, wabavuselela bonke, ukuba bathi ngengqibo yentliziyo bahlale bethe nca eNkosini.

24Ngokuba ebeyindoda elungileyo, ezele nguMoya oyiNgcwele nalukholo. Kongezelelwa eNkosini inani elaneleyo.

25Wemka ke uBharnabhas, waya eTarso, esiya kufuna uSawule;

26wathi akuba emfumene, wamsa kwa-Antiyokwe. Kwathi ke, umnyaka uphela, bahlangana nebandla, bafundisa inani elaneleyo. Kananjalo abafundi baqala ukubizwa ukuba ngamaKristu kwa-Antiyokwe.

UBharnabhas noSawule bathunyelwa eYerusalem

27Ke kaloku ngaloo mihla, kwehla abaprofeti, besuka eYerusalem, beza kwa-Antiyokwe.

28Kwesuka ke omnye wabo, ogama linguAgabho, waqondisa ngaye uMoya ukuba kuza kubakho indlala enkulu kulo lonke elimiweyo; eyabakho ke ngemihla kaKlawudiyo Kesare.

29Kubo ke abafundi, njengoko uthile ebenabo ubutyebi, wathi elowo kubo wagqiba ukuthumela into yokubanceda abazalwana ababemi kwelamaYuda;

30abathe bakwenza nokukwenza, bathumela kuwo amadoda amakhulu ngesandla sikaBharnabhas noSawule.

IZenzo 12

Intshutshiso nguHerode; ukuphuncuka kukaPetros entolongweni

1-2Ke kaloku, ngelo xesha uHerode ukumkani wabesa izandla abathile balo ibandla, ukuba abaphathe kakubi; wambulala ke uYakobi, umzalwana kaYohane, ngekrele.

3Wathi, akubona ukuba oko kuwakholisile amaYuda, waqokela ngokubamba noPetros (yaye ke iyimihla yezonka ezingenagwele leyo).

4Akuba ke embambile, wamfaka entolongweni, wamnikela kumaqela amané amasoldati angamané, ukuba amgcine; engxamele ukuze emveni kwepasika amkhuphe, amse ebantwini.

5Wagcinwa ngoko okunene uPetros entolongweni; ke kwathandazwa libandla ngenyameko kuThixo ngenxa yakhe.

6Xa ke uHerode wayeza kumkhupha, uPetros ngobo busuku wayelele phakathi kwamasoldati amabini, ekhonkxiwe ngemixokelelwane emibini; baye nabalindi beyigcinile intolongo phambi kwesango.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Yabona, naso isithunywa seNkosi, sisithi gaga phezu kwakhe, kwakhanya nokukhanya kwelo gumbi lentolongo; sambetha ecaleni uPetros, samvusa, sisithi, Phakama msinya. Yawa imixokelelwane yakhe ezandleni.

8Sathi kanjalo isithunywa eso kuye, Bhinqa, ubophe izixathula zakho. Wenjenjalo ke. Sithi kuye, Yithi wambu ingubo yakho, undilandele.

9Waphuma, wasilandela; wayengazi ukuba iyinene le nto yenziweyo ngesithunywa eso; ebeba ke ubone umbono.

10Begqithile ke kwelokuqala nakwelesibini iqela labalindi, bafika esangweni lentsimbi elibhekisa kuwo umzi, elathi lavuleka kubo ngokwalo; bakuphuma, bahamba isitrato sasinye; sathi kwaoko semka isithunywa eso kuye.

11Waza uPetros akuziqonda wathi, Kaloku ndiyazi okwenyaniso, ukuba iNkosi ithume isithunywa sayo, yandihlutha esandleni sikaHerode, nakuko konke ukulindela kwabantu bamaYuda.

12Uthe ke akuyiqonda loo nto, weza endlwini kaMariya, unina kaYohane ogama limbi linguMarko, apho bekuqukene khona into eyaneleyo ithandaza.

13Akubon' ukuba ke unkqonkqozile uPetros elucangweni lwesango, kweza kuphulaphula isicakazana esigama linguRoda.

14Silazile ke izwi likaPetros, asilivulanga isango, ngenxa yokuvuya; sabalekela ke phakathi, saxela ukuba uPetros umi phambi kwesango.

15Bathe ke bona kuso, Ùyageza. Saqinisela ke sathi, Hayi, kunjalo. Babesithi ke bona, Sisithunywa sakhe.

16Uthe ke uPetros wamana enkqonkqoza; bathi ke bakuvula bambona, bathi nqa.

17Uwangawangisile ke ngesandla kubo, ukuba bathi cwaka, wabacacisela ukumkhupha kwayo iNkosi entolongweni. Wathi ke, Babikeleni ooYakobi nabazalwana ezi zinto. Waphuma waya kwenye indawo.

18Ke kaloku, kwakusa, ayibanga ncinane inkathazeko phakathi kwamasoldati, yokuba angaba utheni na uPetros.

19Uthe ke uHerode, akuba emfuna engamfumani, wabancina abalindi, wathi makumkiwe nabo, baye kubulawa. Waza uPetros wehla kwelakwaYuda, waya eKesareya, walibala khona.

Ukufa kukaHerode

20Ke kaloku uHerode wayebaqumbele kakhulu abaseTire nabaseTsidon. Beza ke kuye bemxhelo mnye; bathi, bemthomalalisile uBlasto, obephethe igumbi lokulala ukumkani, bazicelela uxolo, ngenxa yokuba ilizwe labo belisondliwa lelokumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ke kaloku uHerode, ngemini emisiweyo, ambethe ingubo yobukumkani, wahlala
etroneni yakhe, wawisa ukuthetha kwakhe kubo.

22Baduma ke abantu, besithi, Lilizwi lothixo elo, asilamntu.

23Samthi qwaka ke kwalapho isithunywa seNkosi, ngenxa enokuba engamzukisanga
uThixo; wadliwa ziimpethu, waphuma umphefumlo.

24Laye ke likhula, lisanda ilizwi likaThixo.

25Ke kaloku uBharnabhas noSawule babuya eYerusalem, belufezile ulungiselelo olo,
bethabathe nabo uYohane, ogama limbi linguMarko.

IZenzo 13

Ibandla lakwa-Antiyokwe

1Ke kaloku, kwaye kukho kwa-Antiyokwe, ebandleni ebelikhona, abaprofeti
nabafundisi abathile, abangooBharnabhas, noSimon ekuthiwa nguNigere, noLukiyo
waseKirene, kwanoManayen owondliwa noHerode umphathi wesahlulo sesiné,
noSawule.

2Bakubon' ukuba ke bayabusa eNkosini, bezila ukudla, wathi uMoya oyiNgcwele,
Ndahluleleni ke uBharnabhas kwanoSawule, baye emsebenzini endibabizele kuwo.

3Bathe ke, bakuba bezilé ukudla, bathandaza, babeka nezandla phezu kwabo,
babandulula.

UBharnabhas noSawule eSipro

4Bona ke ngoko, bakuthunywa nguMoya oyiNgcwele, behla baya kwaSeluki; kanjalo
besuka apho ngomkhombe, baya eSipro.

5Bathe bakufika eSalamis, balishumayela ilizwi likaThixo ezindlwini zesikhungu
zamaYuda. Baye ke benoYohane, ebancedisa.

6Besigqibile ke isiqhithi ngokuhamba, bada bafika ePafo; bafumana siyazi uthile,
ungumprofeti wobuxoki, umYuda ogama linguBhar-yesu,

7owayehlala kwibamba uSergiyo Pawulos, indoda enokuqonda; eyababizela kuyo
ooBharnabhas noSawule, yangxamela ukuliva ilizwi likaThixo.

8Wamelana nabo ke uElima, usiyazi lowo (kuba litsho igama lakhe lakuthethwa
ngentetho evakalayo), efuna ukulijika ibamba elo elukholweni.

9Ke kaloku uSawule, okwanguPawulos, ezele nguMoya oyiNgcwele, wamjonga,
wathi,

10Wena uzeleyo yiyo yonke inkohliso, nabubo bonke ubutshijolo, nyanandini
woMtyholi, lutshabandini lobulungisa bonke, akuyi kupheza na ukuzijika iindlela
ezithe tye zeNkosi?

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Uyabona, nangoku isandla seNkosi siphezu kwakho; ùya kuba yimfama, kube mzuzu ungaliboni ilanga. Kwalapho ke wawelwa lurhatyazo nobumnyama; wayephamzela, efuna abangamrhola ngesandla.

12Lithe ke ibamba, lakukubona oko kwenzekileyo, lakholwa, likhwankqisiwe yiyo imfundiso yeNkosi.

Kwa-Antiyokwe kwelasePisidi: intshumayelo kaPawulos kumaYuda

13Ke kaloku, bakunduluka ngomkhombe ePafo abo babenoPawulos, beza ePerga yelasePamfili. Wahlukana ke nabo uYohane, wabuyela eYerusalem.

14Bendulukile ke bona ePerga, batyhutyha beza kufika kwa-Antiyokwe kwelasePisidi. Bangena endlwini yesikhungu ngomhla wesabatha, bahlala phantsi.

15Ke kaloku, emva kokuleswa komthetho nabaprofeti, abaphathi bendlu yesikhungu bathumela kubo besithi, Madoda, bazalwana, ukuba ninelizwi lokuvuselela abantu, thethani.

16Usukile ke uPawulos, wawangawangisa ngesandla, wathi: Madoda, maSirayeli, nani nimoyikayo uThixo, phulaphulani.

17UThixo waba bantu amaSirayeli wabanyula oobawo bethu, wabaphakamisa abantu ekuphambukeleni kwabo emhlabeni waseYiputa, wabakhupha kuwo ngengalo ephakamileyo.

18Wathi ngexesha eliyiminyaka engathi imashumi mané, wayithwala imikhwa yabo entlango;

19wathi akuwisa iintlanga ezisixhenxe emhlabeni wakwaKanan, wababela umhlaba wazo ngeqashiso.

20Emva koko, iminyaka engathi imakhulu mané anamanci mahlanu, wabanika abagwebi, kwada kwakuSamuweli umprofeti.

21Emva koko bacela ukumkani, uThixo wabanika uSawule, unyana kaKishe, indoda yesizwe sakwaBhenjamin, iminyaka emashumi mané.

22Akumkhupha yena, wabavelisela uDavide, wangukumkani; awamngqinelayo kanjalo, wathi, Ndimfumene uDavide okaYese, indoda engantliziyo yam, eya kukwenza konke ukuthanda kwam.

23Embewini yalowo, uthe uThixo ngokwedinga wavelisa uYesu, ukuba abe nguMsindisi kuSirayeli;

24kwakubon' ukuba uYohane uvakalise tanci, phambi kokungena kwakhe, ubhaptizo loguquko kubo bonke abantu bakwaSirayeli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Xa ke uYohane ebesekulufezeni uhambo lwakhe, ubesithi, Nithi nina ndingubani na? Andinguye. Yabonani, kuza emva kwam endingafanelekileyo ukuba ndizithukulule iimbadada ezinyaweni zakhe.

26Madoda, bazalwana, nyana bomlibo wakwa-Abraham, nâbò phakathi kwenu bamoyikayo uThixo, ilizwi lolu lusindiso lathunyelwa kuni.

27Kuba abo bemiyo eYerusalem, nabaphathi babo, bengamazanga lowo, kwanamazwi abaprofeti aleswayo iisabatha ngeesabatha zonke, bawazalisa ngokumgweba;

28bathi, bengafumananga nalinye ityala lokufa, bacela kuPilato ukuba asikwe.

29Xa ke babezifezile zonke izinto ezibhaliweyo ngaye, bamthula emthini, bambeka engcwabeni.

30Uthe ke uThixo wamvusa kwabafileyo,

31Yena lowo wabonwa imihla emininzi ngabo babenyuke naye, bevela kwelaseGalili besiya eYerusalem; ngabo ke abangamangqina akhe ebantwini.

32Nathi sinishumayeza iindaba ezilungileyo zedinga elo labakho koobawo bethu,

33zokokuba uThixo ulizalisile lona kuthi, bantwana babo, ngokumvusa uYesu; njengokuba nakwiNdumiso yesibini kubhaliwe kwathiwa, Wena unguNyana wam, ndikuzele mna namhla.

34Malunga ke nokumvusa kwakhe kwabafileyo, angabi sabuyela ekuboleni, uselethe ukuthetha, Ndiya kuninika iinceba eziqinisekileyo zikaDavide.

35Kungoko athi nakwenye iNdumiso, Akuyi kumyekela oyiNgcwele wakho ukuba abone ukubola.

36Kuba uDavide okunene, akuba elisebenzele kwesakhe isizukulwana icebo likaThixo, walala ubuthongo, wabekwa kooyise, wakúbona ukubola;

37ke yena owavuswayo nguThixo, akabonanga kubola.

38Makwazeke ngoko kuni, madoda, bazalwana, ukuba ngaye lowo kúxelwa kuni uxolelo lwezono;

39nakuzo zonke izinto ebeningenako ukugwetyelwa nikhululeke kuzo ngomthetho kaMoses, bonke abakholwayo bayagwetyelwa ngaye yena lowo.

40Lumkani ke ngoko, ningafikelwa koko kuthethiweyo ebaprofetini, kusithiwa,

41Bonani, nina badeli, nimangaliswe, nithi shwaka; Ngokuba mna ndisebenza umsebenzi ngemihla yenu, Umsebenzi eningasayi kukholwa kuwo, nokuba kukho othi anicacisele. (UHabh. 1:5)

© 1975 Bible Society of South Africa.

42Ke kaloku, akubon' ukuba ayaphuma amaYuda endlwini yesikhungu, babongoza abeentlanga, ukuba la mazwi athethwe kubo ngesabatha ezayo.

43Sakubon' ukuba ke sichithakele isikhungu, into eninzi yamaYuda neyabangene ebuYudeni, abamhlonelayo uThixo, yabalandela ooPawulos noBharnabhas; abathi bona, bethetha kubo, babeyisela ekuthini, mabahlale behleli elubabalweni lukaThixo.

Abapostile babuyela kwabeentlanga

44Kuthe ke ngelandelayo isabatha, waphantsa ukuhlanganisana umzi wonke, ukuba ulive ilizwi likaThixo.

45Ke kaloku amaYuda, akuzibona izihlwele, azala ngumona, aziphika izinto ezibe zithethwa nguPawulos, aphika enyelisa.

46Bathetha ke ngokungafihlisiyo uPawulos noBharnabhas, bathi, Bekufuneka ukuba lithethwe kuni kuqala ilizwi likaThixo; ekubeni ke niligibile, nazigweba ukuba anibufanele ubomi obungunaphakade, niyabona, sibheka kuzo iintlanga.

47Kuba isiwisele umthetho ngokunjalo iNkosi, yathi, Ndikubekile ukuba ube lukhanyiselo lweentlanga, Ukuze ube ngowosindiso, kude kuse ekupheleni kwehlabathi. (UIsaya 49:6)

48Bakuva ke oko abeentlanga, bavuya, balizukisa ilizwi leNkosi, bakholwa bonke ababemiselwe ubomi obungunaphakade.

49Laye ke ilizwi leNkosi lihanjiswa kulo lonke ilizwe elo.

50Ke kaloku amaYuda abaxhokonxa abafazi ababehlonela uThixo, ababekekileyo, nabaninimzi; abaxhoxhela intshutshiso ooPawulos noBharnabhas, abakhupha emideni yawo.

51Bathe ke bona bawavuthululela uthuli lweenyawo zabo, beza eIkoniyo.

52Baye ke abafundi bezaliswe luvuyo nanguMoya oyiNgcwele.

IZenzo 14

UPawulos noBharnabhas eIkoniyo

1Kwathi ke eIkoniyo, bangena kunye endlwini yesikhungu yamaYuda, bathetha ngokokude kukholwe inkitha enkulu yamaYuda kwanamaGrike.

2Asuka ke wona amaYuda angavumiyo ukuva, ayenza yamibi imiphefumlo yabeentlanga ngakubo abazalwana.

3Balíbala ke ngoko ixesha elaneleyo, bethetha ngokungafihlisiyo ngeNkosi, eyalingqinelayo ilizwi lobabalo lwayo, inika nokuba kwenzeke imiqondiso nezimanga ngezandla zabo.

4Yahlulelana ke inkoliso yomzi; inxenye yangakumaYuda, inxenye yangakubapostile.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Bathe ke, bakubon' ukuba abeentlanga nabangamaYuda, kunye nabaphathi bawo,
bangxamele ukubaphatha kakubi, babagibisele ngamatye:

6bakúqiqa oko bona, basabela emizini yelaseLikawoni, iListra neDerbhe, nakuloo
mimandla;

7baye bezishumayela nalapho iindaba ezilungileyo.

EListra

8Kwakuhleli ke ndoda ithile eListra, ife iinyawo, isisiqhwala kwasesizalweni sonina,
ingazanga ihambe.

9Yona leyo yayimva uPawulos ethetha; owathi, eqwalasele kuyo, ebona ukuba
inokholo lokusindiswa,

10wathi ngezwi elikhulu, Suka, ume ngeenyawo zakho, uthi nkqo; yesuka umtsi,
yahambahamba.

11Ke kaloku iindimbane, zakukubona oko akwenzileyo uPawulos, zaphakamisa izwi
lazo ngokwesiLikawoni, zisithi, Oothixo bahlile beza kuthi, befana nabantu.

12Kanjalo zazimbiza uBharnabhas ngokuthi nguZeyus, noPawulos ngokuthi
nguHermes, ekubeni ke ibinguye obesisithethi.

13Kuthe ke umbingeleli kaZeyus, obephambi komzi wabo, wazisa iinkunzi zeenkomo
nezidanga zeentyantyambo emasangweni, wafuna ukubingelela, kunye
neendimbane.

14Bekuvile ke oko abapostile, ooBharnabhas noPawulos, bazikrazula iingubo zabo,
batsiba phakathi kwendimbane, bedanduluka,

15besithi, Madoda, yini na ukuba nenjenje? Nathi singabantu abeva enikuvayo nina;
sinishumayeza iindaba ezilungileyo zokuba nibuye kwaba thixo bangento, nibuyele
kuThixo ophilileyo, owenza izulu nomhlaba nolwandle, neento zonke ezikwezo zinto;

16owathi ezizukulwaneni ezadlulayo waziyeka zonke iintlanga, ukuba zihambe
ngezazo iindlela;

17kanti ke noko akayekanga ukuzingqinela, esenza okulungileyo, esinika imvula evela
ezulwini, namaxesha aneendyebo, ezanelisa iintliziyo zethu ngokudla nangemihlali.

18Besitsho, kwaba ngenkankulu ukuzidambisa iindimbane, ukuba zingabingeleli kubo.

19Ke kaloku kwafika amaYuda evela kwa-Antiyokwe naseIkoniyo, azixhokonxa
iindimbane, amxuluba ngamatye uPawulos, amrholela ngaphandle komzi, eba ufile.

20Uthe, bakubon' ukuba bamngqongile ke abafundi, wavuka waya kungena kuwo
umzi. Ngengomso waphuma enoBharnabhas, waya eDerbhe.

Ukubuyela kwa-Antiyokwe

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Bewushumayezile loo mzi iindaba ezilungileyo, benze nabafundi abaneleyo, babuya beza eListra, naseIkoniyo, nakwa-Antiyokwe,

22besomeleza imiphefumlo yabafundi, bebavuselela ukuba bahlale behleli elukholweni; besithi, Simelwe kukuphumela ezimbandezelweni ezininzi, ukungena ebukumkanini bukaThixo.

23Bathe ke bakuba benyule amadoda amakhulu kwibandla ngebandla, bethandazile kunye nokuzila ukudla, bawayaleza eNkosini awayekholwe kuyo.

24Betyhutyhe elasePisidi, bafika kwelasePamfili.

25Bathi, belithethile ilizwi ePerga, behla baya kwa-Atali.

26Besuka khona apho ngomkhombe, baya kwa-Antiyokwe, apho babenikelwe khona elubabalweni lukaThixo, ukuba baye emsebenzini, lo ke bawufezileyo.

27Befikile ke, balihlanganisa ibandla, balibikela oko zingako izinto awazenzayo uThixo enabo, nokokuba iintlanga wazivulela ucango lokholo.

28Balíbala ke khona apho ixesha elingelincinane, ndawonye nabafundi.

IZenzo 15

AmaKristu eentlanga nomthetho kaMoses

1Kwehla abathile bevela kwelakwaYuda, babafundisa abazalwana, besithi, Ukuba anithanga nalùswe ngokwesiko likaMoses, aninako ukusindiswa.

2Kuthe ngoko, kwakubon' ukuba uPawulos noBharnabhas baba nempikiswano nembuzwano engencinane nabo, kwagqitywa kwelokuba uPawulos noBharnabhas, nabanye abathile kubo, mabenyuke baye kubapostile namadoda amakhulu eYerusalem, ngawo lo mbuzo.

3Bathi ke ngoko, bephelekelelwe libandla, balityhutyha elaseFenike nelaseSamariya, bexela ukuguquka kwazo iintlanga; babanga uvuyo olukhulu kubo bonke abazalwana.

Intlanganiso eYerusalem

4Befikile ke eYerusalem, bamkelwa libandla nangabapostile nangamadoda amakhulu; kananjalo babika ukuba zinkulu kwazo izinto awazenzayo uThixo enabo.

5Kwasuka kwema ke abathile abakholiweyo behlelo labaFarisi, besithi, Bamelwe kukuba balùke, nokuthi bathethelwe ngelithi, mabawugcine umthetho kaMoses.

6Bahlanganisana ke abapostile namadoda amakhulu, ukuba bayikhangele loo ndawo.

7Ke kaloku, kwakubon' ukuba kubekho imbuzwano enkulu, wesuka uPetros wathi kubo, Madoda, bazalwana, niyazi kakuhle nina, ukuba uThixo kwangemihla yakudala wanyula phakathi kwethu, ukuba iintlanga zilive ngawo umlomo wam ilizwi leendaba ezilungileyo, zikholwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8UThixo, umazi-ntliziyo, wazingqinela, ezinika uMoya oyiNgcwele kwanjengathi;

9akacalula phakathi kwethu nazo, ezihlambulule iintliziyo zazo ngokholo.

10Phofu ke nimlingelani na uThixo, ngokubeka idyokhwe entanyeni yabafundi, esibe singenamandla okuyithwala, thina kwanoobawo bethu?

11Ke ngalo ubabalo lweNkosi uYesu Kristu, siyakholwa ukuba sosindiswa kwangohlobo ezisindiswa ngalo nazo.

12Yathi cwaka ke yonke inkitha yabantu, yaphulaphula ooBharnabhas noPawulos, becacisa oko yayingako imiqondiso nezimanga, awazenzáyo uThixo phakathi kwazo iintlanga ngabo.

13Ke kaloku, emva kokuthi cwaka kwabo, waphendula uYakobi esithi, Madoda, bazalwana, ndiphulaphuleni.

14USimon lo ukucacisile ukuba wathini na ekuqaleni uThixo ukuzivelela iintlanga, ukuba kuzo alinyulele abantu elakhe igama.

15Áyavumelana nako oko amazwi abaprofeti, njengokuba kubhaliwe kwathiwa,

16Emveni koku ndiya kubuya, Ndize ndibuye ndiwakhe umnquba owileyo kaDavide, Amanxuwa awo ndibuye ndiwakhe kanjalo, Ndibuye ndiwumise;

17Okokuze amaqongqolo abantu ayifune iNkosi, Zifune zonke iintlanga ezibizwe ngalo igama lam; Itsho iNkosi, leyo izenzayo zonke ezi zinto.

18Iyaziwa ke nguThixo kuselokwaphakade yonke imisebenzi yakhe. (UAm. 9:11,12)

19Kungoko mna ndigqiba kwelithi, masingabakhathazi abo beentlanga babuyelayo kuThixo;

20kodwa masibabhalele ukuba bazikhwebule kwizingcoliso zezithixo, nombulo, nento ekrwitshiweyo, negazi.

21Kuba uMoses kwakwizizukulwana zakudala unabamvakalisayo kwimizi ngemizi, eleswa ezindlwini zesikhungu ezi iisabatha ngeesabatha.

Incwadi eya kumaKristu eentlanga

22Kwaza kwabonakala kulungile kubapostile nakumadoda amakhulu, ndawonye nalo ibandla liphela, ukuba banyule amadoda kwakubo, bawathume kwa-Antiyokwe ndawonye noPawulos noBharnabhas; angooYuda ogama limbi linguBharsabhas, noSilas, amadoda angabakhokeli kubazalwana.

23Babhala incwadi ngesandla sawo, besithi: Abapostile namadoda amakhulu nabazalwana bayabulisa kubo abazalwana basezintlangeni, abakwa-Antiyokwe nakwelaseSiriya nakwelaseKiliki.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Ekubeni ke sivile ukuba abathile kuthi baphuma baya banikhathaza ngamazwi, beyikhukulisa imiphefumlo yenu, besithi, makwalukwe, kugcinwe umthetho, esingabayalelanga wona:

25kwabonakala kulungile kuthi, simxhelo mnye, ukuba sinyule amadoda ukuba siwathume kuni, ndawonye neentánda zethu,

26uBharnabhas noPawulos, abantu ababuncamileyo ubomi babo ngenxa yegama leNkosi yethu uYesu Kristu.

27Sibathumile ngoko ooYuda noSilas, abothi nabo banibikele ezi ndawo ngomlomo.

28Kuba kwabonakala kulungile kuye uMoya oyiNgcwele, nakuthi, ukuba kungàbekwa phezu kwenu mthwalo ungaphezu kwezi ndawo zifunekayo:

29zokuba nizile izinto ezibingelelwe kwizithixo, negazi, nento ekrwitshiweyo, nombulo; enothi nakuzigcina kuzo, nibe niyalungisa. Hlalani kakuhle.

30Bathe ke ngoko, bakunduluka, beza kwa-Antiyokwe; bawuhlanganisa umhlambi wabazalwana, bayinikela incwadi leyo.

31Beyilesile ke bona, baluvuyela uthuthuzelo olu.

32Ke kaloku ooYuda noSilas, kuba bengabaprofeti nabo, babathuthuzela abazalwana ngokuthetha okukhulu, babomeleza.

33Bakuba ke benze ixesha, banduluka bexolile kubazalwana, baya kubapostile.

34Kodwa kuSilas kwabonakala kulungile ukuba akhe ahlale khona.

35Balibala ke ooPawulos noBharnabhas kwa-Antiyokwe, befundisa, beshumayela iindaba ezilungileyo zelizwi leNkosi, kwanabanye abaninzi.

UPawulos noBharnabhas bayahlukana

36Ke kaloku, emva kwemihla ethile, wathi uPawulos kuBharnabhas, Makhe sibuye siye kuvelela abazalwana bethu, kuyo yonke imizi ngemizi esalazisayo kuyo ilizwi leNkosi, sibone ukuba banjani na.

37Ke kaloku uBharnabhas wangxamela ukuba bathabathe nabo uYohane, ekuthiwa nguMarko;

38kodwa uPawulos wathi akufanelekile ukumthabatha, ahambe nabo, lowo wemkayo kubo kwelasePamfili, àkaya nabo emsebenzini.

39Kwabakho ngoko amazwi abukhali phakathi kwabo, ngokokude bahlukane; athi uBharnabhas amthabathe uMarko, anduluke ngomkhombe aye eSipro;

40kodwa uPawulos wanyula uSilas, wemka, enikelwe kubabalo lukaThixo ngabazalwana.

41Walityhutyha ke elaseSiriya nelaseKiliki, ewomeleza amabandla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IZenzo 16

UTimoti udibana noPawulos eListra

1Ke kaloku wafika eDerbhe naseListra. Kwabonakala kukho mfundi uthile apho,
ugama linguTimoti, unyana wentokazi ethile engumYudakazi okholiweyo, kodwa
uyise engumGrike;

2obengqinelwe kakuhle ngabazalwana baseListra naseIkoniyo.

3Lowo uPawulos wathanda ukuba aphume naye; wamthabatha wamalùsa, ngenxa
yamaYuda abekwezo ndawo; kuba bonke babemazi uyise ukuba ungumGrike.

4Ke kaloku, xa babeyihamba imizi, babanikela imimiselo ukuba bayigcine, leyo
ibimiswe ngabapostile namadoda amakhulu aseYerusalem.

5Ayezimaseka ke ngoko amabandla elukholweni, esanda ngenani imihla ngemihla.

Uhambo lukaPawulos kwelaseAsiya

6Ke kaloku, bakulityhutyha ilizwe laseFrigi nelaseGalati, balelwa nguMoya
oyiNgcwele ukulithetha ilizwi kwelaseAsiya.

7Befikile kwelaseMisi, balinga ukuya nakwelaseBhitini, kodwa akabavumelanga
uMoya lowo;

8badlula ke kwelaseMisi, behla baya eTrowa.

9Kwabonakala umbono kuPawulos ebusuku. Kwema ndoda ithile yelaseMakedoni,
imbongoza isithi, Wela uze kwelaseMakedoni, usisize.

10Ke kaloku, akuwubona umbono lowo, safuna thina kwaoko ukuphuma siye
kwelaseMakedoni, sígqibé kwelithi, iNkosi isibizele ukuba sibashumayeze iindaba
ezilungileyo.

UPawulos uwelela eMakedoni; eFilipi

11Sindulukile ngoko ngomkhombe eTrowa, sathi ngqo ukuya eSamotraki, sathi
ngengomso seza eNeyapoli;

12ukusuka apho, seza eFilipi, owona mzi wokuqala wecala elo lilelaseMakedoni,
uyikoloni. Salíbala ke kuloo mzi imihla ethile.

13Sathi ngomhla wesabatha, saphuma saya ngaphandle komzi ngasemlanjeni, apho
umthandazo ubusakwenziwa khona; sahlala phantsi, samana sithetha kubafazi
ababebuthelene khona.

14Kwaye kuphulaphula intokazi ethile egama linguLidiya, umthengisi weengubo
ezibomvu, womzi weTiyatira, emhlonelayo uThixo, entliziyo yayivulayo iNkosi ukuba
izinyamekele izinto ezazithethwa nguPawulos.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ke kaloku, yakuba ibhaptiziwe nendlu yayo, yasibongoza isithi, Ukuba nithi ndikholiwe eNkosini, ngenani endlwini yam, nihlale. Yasizama.

16Ke kaloku kwathi, kwakubon' ukuba siyaya endaweni yokuthandaza, sahlangatyezwa sisicakazana esithile, sinomoya wemilozi; sona besizizuzisa iinkosi zaso inzuzo enkulu ngokuvumisa.

17Sona eso sithene mbende noPawulos nathi, samana sidanduluka sisithi, Aba bantu bangabakhonzi bakaThixo Osenyangweni, bona basazisayo indlela yosindiso.

18Oko ke sakwenza sona imihla emininzi. Ebindekile ke uPawulos, wathi guqugu, wathi kuwo umoya, Ndiyakuthethela egameni likaYesu Kristu ukuba uphume kuso. Waphuma ke kwangelo lixa.

UPawulos noSilas babanjwa baze bakhululwe

19Ke kaloku, zakubona iinkosi zaso ukuba liphumile ithemba lenzuzo yazo, zababamba ooPawulos noSilas, zabarholela endaweni yembutho, kubaphathi:

20zabazisa kubo abathetheli, zathi, Aba bantu bayawukhathaza kakhulu umzi wethu, bengamaYuda;

21basifundisa amasiko ekungavumelekileyo ukuba siwamkele, nokuba siwenze, singamaRoma.

22Isihlwele sabahlanganyela; nabathetheli bazithi qwengeqwenge iingubo zabo, bathi mababethwe ngeentswazi.

23Bathi, bakuba bebabethe imivumbo emininzi, babaphosa entolongweni, bamthethela umgcini wababanjwa ukuba abagcine ngokunqabileyo;

24owathi, amkele umyalelo onjalo, wabaphosa kwengaphakathi intolongo, waziqinisa iinyawo zabo emithini.

25Ke kaloku, malunga phakathi kobusuku, ooPawulos noSilas babethandaza, bevuma elokudumisa uThixo; babephulaphula ke ababanjwa.

26Kwabakho ke ngequbuliso unyikimo olukhulu lomhlaba, ngokokude zizanyazanyiswe iziseko zentolongo; zavuleka kwaoko iingcango zonke, athukululeka amakhamandela abo bonke.

27Ethe tyithi ke ebuthongweni umgcini wababanjwa, ebona iingcango zentolongo zivulekile, warhola ikrele, eza kuzibulala, eba ababanjwa babalekile.

28UPawulos wabiza ke ngezwi elikhulu wathi, Ungazenzakalisi; kuba sikho sonke apha.

29Ebize ke izibane, watsiba phakathi, waza egubha, wawa phantsi phambi koPawulos noSilas.

30Wabazisa phandle, wathi, Zinkosi, ndimelwe kukuthini na, ukuze ndisindiswe?

© 1975 Bible Society of South Africa.

31Bathi ke bona, Kholwa kuyo iNkosi uYesu Kristu, wosindiswa wena nendlu yakho.

32Balithetha kuye ilizwi leNkosi, nakubo bonke ababesendlwini yakhe.

33Wabathabatha ngelo lixa lobusuku, wayihlamba imivumbo yabo; wabhaptizwa yena kwalapho, nabo bonke abakhe.

34Kananjalo, ebanyuse wabása endlwini yakhe, wabeka ukudla phambi kwabo, wagcoba nendlu yakhe yonke, kuba ekholwa kuThixo.

35Kwakusa, abathetheli bathuma amadindala, besithi, Bakhulule abo bantu.

36Uwaxelile ke umgcini wababanjwa la mazwi kuPawulos, wathi, Abathetheli bathumele ukuba nikhululwe; ke ngoko phumani, nihambe ngoxolo.

37Uthe ke uPawulos kuwo, Basityabule ekuhleni singagwetywanga, síbantu bangamaRoma; basiphosa entolongweni; ngoku basikhupha ngasese na? Nakanye; mabeze bona ngokwabo, basikhuphe.

38Awaxela ke la mazwi amadindala kubathetheli; boyika, bakuva ukuba bangamaRoma.

39Beza bababongoza, babakhupha, babacela ukuba baphume kuwo umzi.

40Bephumile ke entolongweni, baya kungena kwaLidiya; bathi, bebabonile abazalwana, babayala, bemka.

IZenzo 17

ETesalonika

1Ke kaloku, bakuba beyihambile iAmfipoli neApoloni, beza eTesalonika, apho yayikhona indlu yesikhungu yamaYuda.

2Ngokwesiko ke likaPawulos wangena kuwo; waye iisabatha ezintathu exoxa nawo, ethabatha ezibhalweni, etyhila,

3ebeka phambi kwawo ukuba uKristu ubemelwe kukuva ubunzima, aze avuke kwabafileyo; nokuthi, Nguye ke uKristu, lo Yesu ndinazisa yena mna.

4Inxenye kuwo yoyiseka, yazibandakanya noPawulos noSilas, kwanenkitha enkulu yamaGrike amhlonelayo uThixo; nakubafazi abaziintloko àbaba mbalwa.

5Ke kaloku amaYuda angoyisekileyo, enomsindo, azithabathela amadoda athile angendawo, angamahilihili, enza ibubu, awuphithizelisa umzi, ayifikela nendlu kaYason, efuna ukubarholela eluntwini.

6Akuba engabafumananga ke, amrholela uYason nabazalwana abathile kubaphathi bomzi, ebhomboloza esithi, Aba baliqungaqungileyo elimiweyo, bona bafikile nalapha;

© 1975 Bible Society of South Africa.

7athe uYason wabamkela ngobubele; baye bonke aba besenza okuchasene
nemimiselo kaKesare, besithi, Kukho kumkani wumbi unguYesu.

8Asikhathaza ke isihlwele nabaphathi bomzi, bakuziva ezi zinto.

9Bethabathe isibambiso kuYason nakwabanye, babakhulula.

EBhereya

10Ke kaloku bathi abazalwana kwaoko bamndulula uPawulos noSilas ngobusuku,
ukuba baye eBhereya; abathi bona bakufika, baya endlwini yesikhungu yamaYuda.

11La ke aye enobuntu kunawaseTesalonika; la wona alamkela ilizwi ngentumekelelo
yonke, ezincina izibhalo imihla ngemihla, ukuba zingaba zinjalo na ezi zinto.

12Kwakholwa ke ngoko into eninzi kuwo, nakumaGrikekazi abekekileyo,
nakumadoda, àbaba mbalwa.

13Akùqonda ke awaseTesalonika amaYuda, ukuba ilizwi likaThixo lazisiwe
nguPawulos naseBhereya, eza azizamazamisa nalapho izihlwele.

14Bandula ke kwaoko abazalwana, bamsusa uPawulos ukuba abheke ngaselwandle;
kwasala uSilas kwanoTimoti khona.

15Bathe ke bona abamkhapháyo uPawulos, bamsa eAtene; bakuba bamkelé
umthetho oya kooSilas noTimoti, wokuba beze kuye kwakamsinya, bemka.

EAtene

16Ke kaloku, akubon' ukuba uPawulos ubalindile eAtene, wacaphuka, akuwubona
umzi uzizithixo kuphela.

17Wayexoxa ke ngoko endlwini yesikhungu namaYuda, nabamhlonelayo uThixo;
nasendaweni yembutho imihla ngemihla, nabasukuba bekhona.

18Ke kaloku izithanda-bulumko ezithile zamaEpikure nezamaStoyike zamhlanganyela;
yayisithi inxenye, Azi lifuna ukuthini na eli pholopholo? Abanye ke bathi, Ngathi
ngumazisi wezithixo zasemzini; ngokuba wayebashumayeza iindaba ezilungileyo
zikaYesu, novuko lwabafileyo.

19Bamthabatha ke bamsa eAreyopago, besithi, Singakhe siyive na le mfundiso intsha
ithethwa nguwe, ukuba iyini na?

20Kuba uzisa izinto ezithile zasemzini ezindlebeni zethu; singa singázi ngoko, ukuba
zingaba zifuna ukuba yintoni na ezi zinto.

21Ke kaloku abaseAtene bonke, nabasemzini abangabahambi, babengazilibazisi
nganto yimbi, ngaphandle kokuxela nokuva olona daba lutsha.

Intetho kaPawulos eAreyopago

22Wema ke uPawulos esazulwini seAreyopago, wathi: Madoda aseAtene, ndiyabona
ukuba ezintweni zonke nincamisile ukuhlonela izithixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Kuba ndithe, ndihamba ndisingasinga izinto enizihlonelayo, ndafumana nesibingelelo ekubhalwe kuso, kwathiwa, KONGÀZIWAYO UTHIXO. Lowo ngoko nimhlonelayo ningamazi, ndinazisa yena mna.

24UThixo yena, owenza ihlabathi neento zonke ezikulo, lowo, eyiNkosi nje yezulu nomhlaba, akahlali zitempileni zenziwe ngazandla.

25Kananjalo akaphiliswa zizandla zabantu, ngokoswele into, inguye nje obanika bonke ubomi, nomphefumlo, nazo zonke izinto.

26Kanjalo wazenza ngagazi-nye zonke iintlanga zabantu, ukuba zime phezu kwawo wonke umhlaba, emisa amaxesha abekwe ngenxa engaphambili, nemida yokuma kwazo;

27ukuze bayifune iNkosi, ukuba kambe bangáphuthaphutha bayifumane, nakuba ingekude kuthi sonke ngabanye.

28Kuba kuyo sihleli, siyashukuma, sikho; njengokuba neembongi ezithile zenu zitshilo ukuthi, Kuba nathi siyinzala yakhe.

29Siyinzala kaThixo nje ke, akusifanele ukuba sibe ubuthixo obu bufana negolide nesilivere nelitye, into eqingqwe ngobungcibi nangengcinga yomntu.

30Loo maxesha ke ngoko okungazi, uThixo wawayeka ngabomi; kungoku uyala abantu bonke ezindaweni zonke ukuba baguquke;

31ngokokuba emise umhla, aza kuligweba ngawo elimiweyo ngobulungisa, ngendoda awayimisayo, ebanike bonke ukholo ngokuyivusa kwabafileyo.

32Ke kaloku, bakuva ngokuvuka kwabafileyo, inxenye yayihlekisa ngaloo nto, abanye bathi, Sobuya sikuve wena ngale nto.

33Waphuma njalo ke uPawulos phakathi kwabo.

34Kodwa amadoda athile anamathele kuye, akholwa, anoDiyonisiyo waseAreyopago, nomfazi ogama linguDamari, nabanye ndawonye nabo.

IZenzo 18

EKorinte

1Ke kaloku, emva kwezi zinto, wahlukana uPawulos neAtene, weza eKorinte.

2Wafumana umYuda othile wasePonto ngokuzalwa, ogama linguAkwila, esandula ukuvela eItali, noPrisila umkakhe, weza kubo (ngenxa yokuba uKlawudiyo ebemise ukuthi, makahlukane neRoma onke amaYuda).

3Kuthe ke, ngenxa yokuba belilinye ishishini labo, waselehlala nabo esebenza; kuba babengabenzi beentente, ishishini labo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Wayexoxa ke endlwini yesikhungu iisabatha ngeesabatha zonke, ezamela ukweyisa
amaYuda namaGrike.

5Ke kaloku, bakuhla bevela kwelaseMakedoni ooSilas noTimoti, uPawulos waxinwa
ngumoya, waqononondisa kumaYuda ukuba uYesu lo nguye uKristu.

6Uthe ke, akùchasa, akùnyelisa, wavuthulula iingubo zakhe, wathi kuwo, Igazi lenu
malibe phezu kwentloko yenu; ndihlambulukile mna; kuthabathela kweli xesha,
ndiya kuya kwiintlanga.

7Esuka khona, weza endlwini yothile ogama linguYusto, omhlonelayo uThixo, ondlu
yayamene nendlu yesikhungu.

8Uthe ke uKrispo, umphathi wendlu yesikhungu, wakholwa yiNkosi, nendlu yakhe
iphela; nento eninzi yamaKorinte yakuva yakholwa, yabhaptizwa.

9Yathi ke iNkosi ngombono ebusuku kuPawulos, Musa ukoyika, thetha ungàthi tu;

10ngokokuba mna ndinawe, kanjalo akukho namnye uya kukusa sandla, akuphathe
kakubi; ngokokuba ndinabantu abaninzi kuló mzi.

11Wahlala khona ke umnyaka oneenyanga ezintandathu, efundisa ilizwi likaThixo
phakathi kwabo.

UGaliyo noPawulos

12Ke kaloku, akubon' ukuba uGaliyo ulibamba kwelaseAkaya, amwela uPawulos
amaYuda ngamxhelo mnye, amsa esihlalweni sokugweba, esithi,

13Lo uzamela ukweyisa abantu ukuba bamhlonele uThixo ngokunxamnye
nomthetho.

14Uthe ke xa uPawulos aza kuvula umlomo, wathi uGaliyo kumaYuda, Ukuba ke
ngoko ibiyinto yentswelabulungisa, nokuba ibiyeyobutshijolo obungendawo,
maYuda, ngekufanelekile ukuba ndininyamezele;

15kodwa ukuba yimbuzwano ngelizwi, namagama, nomthetho ongowenu,
zikhangeleleni nina; kuba mna andingi ndingaba ngumgwebi wezo zinto.

16Wawagxotha esihlalweni sokugweba.

17Ambamba ke onke amaGrike uSostene, umphathi wendlu yesikhungu, ambetha
phambi kwesihlalo sokugweba. Akwabakho nanye yezo zinto ayikhathalelayo
uGaliyo.

UPawulos ubuyela kwelaseSiriya

18Ke kaloku uPawulos ukhe wahlala imihla eyaneleyo. Waza, ebabulisile abazalwana,
wemka ngomkhombe waya kwelaseSiriya, enoPrisila noAkwila; eyichebile intloko
eKenkreya, kuba waye enesibambiso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Wehla ke wafika e-Efese, wabashiya bona apho; ke yena wangena endlwini yesikhungu, waxoxa namaYuda.

20Uthe ke, akumcela ukuba akhe ahlale umzuzu kuwo, akavuma;

21wawabulisa ke esithi, Nokuba kutheni, ndimelwe kukuwenzela eYerusalem umthendeleko ozayo; kodwa ndobuya ndize kuni, ukuba uThixo uyavuma. Waza wemka ngomkhombe e-Efese.

22Uthe, ehle weza eKesareya, wenyuka walibulisa ibandla, wehla waya kwa-Antiyokwe.

23Enzé ixesha elithile khona, wemka, walityhutyha ilizwe laseGalati, nelaseFrigi, ebomeleza bonke abafundi.

UApolo e-Efese

24Ke kaloku wathi umYuda othile, ogama linguApolo, wakwa-Alesandire ngokuzalwa, umfo oliciko, wehla waya e-Efese, enobunkunkqele ezibhalweni.

25Lowo ke wayeyifundisiwe ngomlomo indlela yeNkosi; waza evutha ngumoya wathetha, wafundisa ngokucokisekileyo izinto ezingayo iNkosi, esazi kakuhle ubhaptizo lukaYohane lodwa.

26Yena kanjalo waqala ukuthetha ngokungafihlisiyo endlwini yesikhungu. Bathe ke bakumva ooAkwila noPrisila, bamthabathela kubo, bamtyhilela ngokucokisekileyo ngakumbi indlela kaThixo.

27Ke kaloku, akubon' ukuba unga angadlula aye kwelaseAkaya, abazalwana babhala bebayala abafundi ukuba bamamkele; owathi akufika, wabanceda kakhulu abakholiweyo ngalo ubabalo;

28kuba waweyisa, wawancamisa ekuhleni amaYuda, ebonakalalisa ngazo izibhalo ukuba uYesu lo unguye uKristu.

IZenzo 19

Abafundi bakaYohane umbhaptizi e-Efese

1Ke kaloku kwathi, xa uApolo aseKorinte, uPawulos, ewatyhutyhile amacala asentla, weza e-Efese;

2wafumana bafundi bathile, wathi kubo, UMoya oyiNgcwele namamkela na, nakholwayo nje? Bathi ke bona kuye, Asizanga sive nokuva ukuba kukho uMoya oyiNgcwele.

3Wathi kubo, Nanibhaptizelwe enini na phofu? Bathe ke bona, Elubhaptizweni lukaYohane.

4Wathi ke uPawulos, UYohane okunene wabhaptiza ubhaptizo lwenguquko, esithi ebantwini, mabakholwe kulowo uzayo emva kwakhe, oko kukuthi, kuKristu Yesu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Bevile ke, babhaptizelwa egameni leNkosi uYesu.

6Uthe uPawulos akubeka izandla phezu kwabo, wehla uMoya oyiNgcwele phezu kwabo, baye bethetha ngeelwimi, beprofeta.

7Aye ke amadoda lawo ewonke engathi alishumi elinamabini.

UPawulos ufundisa e-Efese

8Ke kaloku, wangena endlwini yesikhungu, wathetha ngokungafihlisiyo iinyanga zantathu, exoxa nabantu, ebeyisela kwizinto ezingabo ubukumkani bukaThixo.

9Ke bakuba abathile belukhuni, bengaphulaphuli, bethetha okubi ngayo iNdlela leyo phambi komhlambi, wesuka kubo, wabahlula abafundi, exoxa imihla ngemihla esikolweni sikaTirano.

10Oku ke kwenzeka iminyaka emibini, ngokokude bonke abemiyo kwelaseAsiya balive ilizwi leNkosi uYesu, amaYuda kwanamaGrike.

11Waye noThixo esenze ngezandla zikaPawulos imisebenzi yamandla engahlali isihla;

12ngokokude kusiwe nakwimilwelwe iiqhiya nemibhinqo, ivela emzimbeni wakhe, zisuke kubo izifo, bathi noomoya abakhohlakeleyo baphume kubo.

13Ke kaloku bathi abathile bakumaYuda abhadulayo, angabafungisi, bazamela ukulibiza igama leNkosi uYesu phezu kwabanoomoya abakhohlakeleyo, besithi, Sinifungisa uYesu lowo uvakaliswayo nguPawulos.

14Kwaye kukho ke nyana bathile basixhenxe bakaSkeva, umYuda, umbingeleli omkhulu, ababekwenza oko.

15Waphendula ke umoya okhohlakeleyo, wathi. UYesu ndiyamazi, noPawulos ndiyamazi kakuhle; ke nina ningoobani na?

16Wesuka umntu obukuye umoya okhohlakeleyo, wabatsibela, wabagagamela wabeyisa, ngokokude babaleke baphume kuloo ndlu bengxwelerhiwe, bezé.

17Kwathi ke oko kwazeka kuwo onke amaYuda, kwanakumaGrike amiyo e-Efese; angenwa kukoyika onke, lenziwa likhulu igama leNkosi uYesu.

18Yaye nento eninzi yabakholiweyo isiza, izivuma izixela izenzo zabo.

19Yathi ke nento eyaneleyo yabasebenza izenzo zobugqi, yazizisa ndaweni-nye iincwadi zayo, yazitshisa phambi kwabo bonke; bawabala amaxabiso azo, bafumana engamawaka amashumi mahlanu esilivere.

20Lenjenjalo ke ilizwi leNkosi ukwanda ngamandla nokweyisa.

Iinjongo zikaPawulos

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ke kaloku, zakuzaliseka ezi zinto, wamisa emoyeni wakhe uPawulos ukuba athi, elityhutyhile elaseMakedoni nelaseAkaya, aye eYerusalem, esithi, Emveni kokuba ndithe ndakhona, ndimelwe kukuba ndibone neRoma.

22Wathuma ke kwelaseMakedoni bababini kwabamlungiselelayo, uTimoti noErasto; yena ke wakha walibala umzuzu kwelaseAsiya.

Isaqunge e-Efese

23Ke kaloku kwabakho ngelo xesha inkathazeko engencinane ngayo iNdlela le.

24Kuba uthile, ogama linguDemetriyo, umkhandi wesilivere, obesenza iitempile zesilivere zika-Artemis, wayezizuzisa iingcibi inzuzo engencinane.

25Waziqukela ndawonye, kwanabasebenzi bezinto ezinjalo, wathi, Madoda, niyazi kakuhle ukuba buphuma kule nzuzo ubutyebi bethu;

26kananjalo niyabona, niyeva, ukuba àkuse-Efese kodwa, kuphantse ukuba kulo lonke elaseAsiya, athe lo Pawulos waphambukisa isihlwele esaneleyo, ngokusoyisa ngamazwi athi, asingoothixo abo benziwa ngesandla.

27Asisiso ke esi sabelo sethu sodwa esisichenge sokudelwa; kwanetempile yothixokazi omkhulu uArtemis iza kubalelwa ekuthini yinto engento, butshabalale ke nobungangamela bakhe, ohlonelwa lelaseAsiya liphela nelimiweyo.

28Bakukuva ke oko, bazala ngumsindo, bankqangaza, besithi, Mkhulu uArtemis wabase-Efese!

29Wazala umzi uphela sisidubedube; besuka indulumbane ngamxhelo mnye endaweni yokubonela, bamthi hlasi uGayo noAristarko, abelaseMakedoni, ababehamba noPawulos.

30Uthe ke uPawulos, enga angangena entlanganisweni yabantu, àbamvumela abafundi.

31Abathile ke bakubaphathi belaseAsiya, benobuhlobo kuye, bathumela kuye, bambongoza ukuba angàzinikeli endaweni yokubonela.

32Abanye ke ngoko babenkqangaza enye into, abanye yimbi, kuba ibandla labe lidubadubekile; baye abaninzi bengazi ukuba babuthelene ngenxa yantoni na.

33Bamrhola ke esihlweleni uAlesandire, akubon' ukuba amaYuda amtyhalela phambili; uwangawangisile ke uAlesandire ngesandla, wafuna ukuziphendulela eluntwini.

34Kodwa bakuqonda ukuba ungumYuda, benza inzwinini enye bonke bephela, benkqangaza umzuzu omaxa mabini, besithi, Mkhulu uArtemis wabase-Efese!

35Esizolisile ke umbhali isihlwele, uthe, Madoda ase-Efese, kanene nguwuphi na umntu ongàziyo, ukuba umzi wase-Efese ungumgcini-tempile wothixokazi omkhulu uArtemis, nowomfanekiselo owawa kuZeyus.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Zingenakuphikwa nje ke ezo zinto, nimelwe kukuthi nizole, ningenzi nanye into
ngobutyhuthu-tyhuthu,

37Kuba niwazise apha la madoda, engebaphangi batempile, nàbanyelisi bothixokazi
wenu.

38Ukuba ke ngoko uDemetriyo neengcibi ezinaye banendawo emntwini, zikho iimini
zamatyala, akho namabamba; mabamangalelane.

39Ke ukuba nifuna into nganto zimbi, yoconjululwa kwesesikweni intlanganiso.

40Kuba sizizichenge zokumangalelwa ngesaqunge sanamhla, kungekho nasinye
isizathu nje, esingaba nako ngaso ukwenza ilizwi ngale mbuthumbuthu.

41Akutsho, wayindulula intlanganiso.

IZenzo 20

UPawulos eMakedoni, kwelamaGrike, naseTrowa

1Ke kaloku, emva kokuphela kwesiphithiphithi eso, uPawulos wababizela kuye
abafundi, wababulisa, waphuma waya kwelaseMakedoni.

2Ewatyhutyhile ke loo macala, ebayalile ngokuthetha okukhulu, weza kwelamaGrike.

3Wenza apho iinyanga zantathu. Uthe ke, kwakwenziwa iyelenqe ngaye ngamaYuda,
xa aza kuya ngomkhombe kwelaseSiriya, wagqiba kwelokuba acande
kwelaseMakedoni ngokubuya.

4Waphelekelelwa ke, kwada kweza kwelaseAsiya, nguSopatro waseBhereya;
kumaTesalonika ke yangu-Aristarko noSekundo; noGayo waseDerbhe, noTimoti;
kwabelaseAsiya yanguTikiko noTrofimo;

5abo basandulela, basilinda eTrowa.

6Semka ke thina ngomkhombe eFilipi, emva kwemihla yezonka ezingenagwele, seza
kubo eTrowa ngeentsuku ezintlanu; salibala khona iintsuku zasixhenxe.

UYutiko

7Ke kaloku, ngolokuqala usuku lweveki, bakubon' ukuba abafundi bahlanganisene
ukuba baqhekeze isonka, uPawulos wayexoxa nabo, eza kumka ngengomso;
wayolula intetho yakhe kwada kwaphakathi kobusuku.

8Zaye ke izibane zanele egumbini eliphezulu, apho babehlanganisene khona.

9Kwakuhleli ke efestileni ndodana ithile ingama linguYutiko, isindwa bubuthongo
obukhulu. Akubon' ukuba ke uPawulos kukade exoxa, yoyiswa bubuthongo, yawa
phantsi isuka kolwesithathu udidi, yafunqulwa ifile.

10Ehlile ke uPawulos, waziphosa phezu kwayo; eyiwolile wathi, Musani ukwenza
isiphithiphithi; kuba umphefumlo wayo ukuyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Wenyuka ke, waqhekeza isonka, wadla; kananjalo waxoxa ngokwaneleyo kwada kwasa, wemka njalo.

12Bamzisa ke umfana lowo ehleli, bathuthuzeleka ngokungenamlinganiselo.

Ihambo yokuya eMileto

13Ke kaloku thina sandulela saya emkhombeni, sasinga eAso, apho besiza kumthabatha khona uPawulos; kuba ebemisele ngokunjalo, yena eza kuhamba ngeenyawo.

14Sithe ke, akuhlangana nathi eAso, samthabatha seza eMitilene.

15Sesuka apho ngomkhombe, ngengomso safika malungana neKiyo; sathi ke ngengomsomnye sagaleleka eSamo, sahlala eTrogiliyo; ngolandelayo seza eMileto.

16Kuba uPawulos wagqiba kwelokuba kudlulwe ngomkhombe e-Efese, ukuze angabi nakwenza xesha lide kwelaseAsiya; kuba wayekhawulezele ukuthi, ukuba unako, awenze umhla wepentekoste eYerusalem.

Intetho yokwahlukana kukaPawulos kubadala base-Efese eMileto

17Ke kaloku eMileto apho wathumela e-Efese, wawabizela khona amadoda amakhulu alo ibandla.

18Akufika ke kuye, wathi kuwo: Niyazi kakuhle nina, kususela kwimini yokuqala endathi qatha ngayo kwelaseAsiya, ukuba ndathini na ukuhlala kwam nani lonke ixesha,

19ndikhonza eNkosini, ndínako konke ukuthobeka kwentliziyo, neenyembezi ezininzi, nokulingwa okwandihlelayo ngamayelenqe amaYuda:

20okokuba andinifihlelanga nto, ndanityela onke amalungelo; ndanifundisa ekuhleni nakwizindlu ngezindlu,

21ndiqononondisa kumaYuda nakumaGrike ukuguqukela kuThixo, nokukholwa kuyo iNkosi yethu, uYesu Kristu.

22Nangoku, yabonani, ndiya mna eYerusalem, ndibotshiwe nguMoya, ndingazazi izinto eziya kundihlela khona;

23ndanele ukwazi ukuba uMoya oyiNgcwele uqononondisa kwimizi ngemizi, esithi ndilindwe ngamakhamandela naziimbandezelo.

24Andikhathalele nanye yezi zinto; kanjalo nobomi bam obu andinqabe nabo, ukuze ndilufeze uhambo lwam ngovuyo, nolungiselelo endalwamkelayo eNkosini uYesu, lokuqononondisa iindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo.

25Nangoku, yabonani, ndiyazi mna, ukuba nina nonke ndahambayo phakathi kwenu, ndibuvakalisa ubukumkani bukaThixo, anisayi kuba sabubona ubuso bam.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[26]Kungoko ndingqinayo kuni ngayo le mini yanamhla, ukuba mna ndimsulwa egazini labo bonke;

[27]kuba andinifihlelanga nto; ndanityela lonke icebo likaThixo.

[28]Zilumkeleni ngoko, nawo wonke umhlambi, athe uMoya oyiNgcwele wanimisa ukuba ngabaveleli bawo, ukuba nilalúse ibandla likaThixo, awazizuzelayo ngelilelakhe igazi.

[29]Kuba mna ndiyakwazi oku, ukuba emva kokumka kwam, kuya kungena phakathi kwenu iingcuka ezibawayo, zingawucongi umhlambi.

[30]Nakuni ngokwenu kuya kuvela amadoda athetha izinto ezigwenxa, ukuba abarhole abafundi emva kwawo.

[31]Kungoko ndithi, Phaphani, nikhumbula ukuba iminyaka emithathu, ubusuku nemini, andiyekanga ukululeka bonke ngabanye, ndineenyembezi.

[32]Kungoku, bazalwana, ndiyaniyaleza kuThixo nakwilizwi lobabalo lwakhe, onako ukunakha, aninike ilifa phakathi kwabo bonke abangcwalisiweyo.

[33]Andinqwenelanga silivere nagolide nangubo kabani.

[34]Nina ke ngokwenu niyazi ukuba ezi zandla zazisebenzela iintswelo zam, nezababenam.

[35]Ndanibonisa zonke izinto, ukuba ngokwenjenjalo ukubulaleka nimelwe kukuthi niyisize imilwelwe, nikhumbule namazwi eNkosi uYesu; ngokuba yena wathi, Ukupha kunoyolo ngaphezu kokuphiwa.

[36]Akutsho, waguqa ngamadolo, wathandaza nabo bonke.

[37]Basitsho ke isililo esikhulu bonke, bawa phezu kwentamo kaPawulos, bamanga kakhulu,

[38]bebuhlungu kakhulu, ngokukodwa lilizwi alithethileyo lokuthi, abasayi kubuya babubone ubuso bakhe. Bamphelekelela ke, baya emkhombeni.

IZenzo 21

Ukusuka eMileto ukuya eTire

[1]Ke kaloku kwathi, sakunduluka ngomkhombe, siziqhawule kubo, see ngqo seza eKos; ngomhla olandelayo ke seza eRodo, sesuka apho seza ePatara.

[2]Sathi, sifumene umkhombe uwelela kwelaseFenike, sangena kuwo sanduluka.

[3]Sithe sakuthi thu ke eSipro, sayishiya ngasekhohlo, saya ngomkhombe kwelaseSiriya, saphuma eTire; kuba umkhombe ubuya kuyithula apho impahla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Sathi sibafumene abafundi, sahlala khona iintsuku zasixhenxe; bona babesithi kuPawulos ngoMoya, makangenyuki aye eYerusalem.

5Ke kaloku sithe, xa sizigqibileyo iintsuku ezo, saphuma sahamba; besiphelekelela bonke, ndawonye nabafazi nabantwana, sada sangaphandle komzi; saguqa ngamadolo elunxwemeni, sathandaza.

6Sathi sibulisene nabo, sangena emkhombeni thina, bona ke babuyela emakhaya.

EKesariya

7Sathi ke thina, sakulufeza uhambo ngomkhombe sivela eTire, safika eTolimayi, sababulisa abazalwana, sahlala nabo usuku lwalunye.

8Ke kaloku ngengomso, thina besinoPawulos, semka seza eKesareya; sangena endlwini kaFilipu, umshumayeli weendaba ezilungileyo, obengowabaya basixhenxe, sahlala kuye.

9Lowo ke wayeneentombi eziné, ziseziintombi, ziprofeta.

10Sakubon' ukuba ke sihleli khona iintsuku ezininzi, kwehla kwelakwaYuda mprofeti uthile, ugama linguAgabho.

11Wathi akufika kuthi, wathabatha umbhinqo kaPawulos, wazibopha izandla neenyawo, wathi, Utsho ke uMoya oyiNgcwele ukuthi, Indoda ongowayo lo mbhinqo, aya kwenjenje amaYuda ukuyibopha eYerusalem, ayinikele ezandleni zeentlanga.

12Ke kaloku, sakukuva oku, sambongoza thina, kwanabakuloo ndawo, ukuba angenyuki aye eYerusalem.

13Waphendula ke uPawulos, wathi, Nenzani na ukulila niyityumze intliziyo yam? kuba mna ndingàlungele kubotshwa kodwa; ndilungele nokufa eYerusalem, ngenxa yegama leNkosi uYesu.

14Akuba ke engoyiseki, sathi cwaka, sisithi, Makwenzeke ukuthanda kweNkosi.

EYerusalem

15Ke kaloku emva kwezo ntsuku, sabopha impahla, senyuka saya eYerusalem.

16Kwahamba ke nathi abathile nakubafundi abavela eKesareya, besisa thina kuMnaso waseSipro, obengumfundi kwakudala, esaba lundwendwe lwakhe.

Umzamo kaPawulos wokwakha imvisiswano namaKristu angamaYuda

17Ke kaloku, sakufika eYerusalem, basamkela ngovuyo abazalwana.

18Ngengomso ke, uPawulos wangena kunye nathi kuYakobi; ayekho namadoda amakhulu onke.

19Ubabulisile, wamana ebacacisela zonke ngazinye izinto awazenzayo uThixo phakathi kweentlanga, ngalo ulungiselelo lwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Bathe ke bona bakukuva oko, bayizukisa iNkosi, batsho nokuthi kuye, Uyabona, mzalwana, oko angako amawakawaka amaYuda akholiweyo; abe ke onke ewuzondelele umthetho.

21Atyelwe ke ngawe, ukuba uyawafundisa onke amaYuda aphakathi kweentlanga, ukuba ahlukane noMoses, usithi, makangabalusi abantwana bawo, angahambi ngawo amasiko.

22Kuthiweni na ke? Kakade kuya kuhlanganisana inkitha; kuba aya kuva ukuba ùfikile.

23Ngoko yenza le nto sikuxelela yona: kukho kuthi apha amadoda amané, anesibambiso azibophe ngaso;

24wathabathe ke, uzenze nyulu kunye nawo, ube nokudleka ngenxa yawo, ukuze agugule iintloko; bazi bonke ukuba ezo nto bazityelweyo ngawe azilutho, nawe ngokwakho uhambe uwugcinile umthetho.

25Kodwa ngazo iintlanga ezikholiweyo, sabhala sagqiba kwelokuba zingabambi nto injalo; kuphela ibe kukuzigcina entweni ebingelelwe izithixo, nasegazini, nasentweni ekrwitshiweyo, nasembulweni.

26Wandula uPawulos wawathabatha ke amadoda lawo, wathi ngengomso, ezenze nyulu kunye nawo, wangena etempileni, eqondisisa inzaliseko yeentsuku zokwenza nyulu, ude usondezwe umnikelo ngenxa yabo bonke ngabanye.

Isaqunge eYerusalem nokubanjwa kukaPawulos

27Ke kaloku, xa iintsuku ezisixhenxe ezo beziza kuphela, athi amaYuda avela kwelaseAsiya, akumbona etempileni, asidubaduba sonke isihlwele, amsa izandla, enkqangaza esithi,

28Madoda, maSirayeli, sizani. Nanku lo mntu ufundisa bonke ezindaweni zonke okuchasene nabantu, nomthetho, nale ndawo; othe ngaphezu koko wawangenisa amaGrike etempileni, wayenza inqambi le ndawo ingcwele.

29Kuba abebone ngeenxa engaphambili uTrofimo wase-Efese, ndawonye naye phakathi komzi; abeba uPawulos umngenise etempileni.

30Washukuma umzi uphela, babalekela ndawonye abantu; bamthabatha uPawulos, bamrholela ngaphandle kwetempile; zavalwa kwaoko iingcango.

31Ke kaloku, xa babeza kumbulala, lwafika udaba kumthetheli-waka webutho, lokuba iYerusalem iphela idubadubekile;

32owathi kwangelo lixa wathabatha amasoldati nabathetheli-khulu, wabaleka, wehla waya kubo. Bakumbona ke umthetheli-waka namasoldati, bayeka ukumbetha uPawulos.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Waza wasondela umthetheli-waka, wambamba, wathi makakhonkxwe ngemixokelelwane emibini; wayebuza ukuba angaba ungubani na, nokuthi wenze ntoni na.

34Abanye ke phakathi kwesihlwele babhomboloza enye into, abanye enye. Akuba engenako ke ukuyazi inyaniso ngenxa yesiphithiphithi, wathi makasiwe enqabeni yomkhosi.

35Xeshikweni wafikayo ke kumatye okunyuka, usuke wathwalwa ngamasoldati, ngenxa yamandla esihlwele;

36kuba yayilandela inkitha yabantu, inkqangaza isithi, Msuseni.

37Xa ke wayeza kungeniswa enqabeni yomkhosi, wathi uPawulos kumthetheliwaka, Kuvumelekile na ukuba ndithethe into kuwe? Wathi ke yena, Uyasazi na isiGrike?

38Akunguye na kanene laa mYiputa, wathi phambi kwale mihla wenza isaqunge, wakhukulisela entlango laa madoda angamawaka amané azizigebenga?

39Uthe ke yena uPawulos, Mna ndingumntu ongumYuda waseTarso, umntu okowabo lingumzi ongadume ngako welaseKiliki; ndiyakucela ke, ndivumele ndikhe ndithethe kubo abantu.

40Ke kaloku, akubon' ukuba umvumele, wema uPawulos ematyeni okunyuka, wawangawangisa ngesandla kubo abantu. Kwakuthiwa cwaka kakhulu, wadanduluka ngentetho yesiHebhere, esithi:

IZenzo 22

Intetho kaPawulos kumaYuda

1Madoda, bazalwana, nani bobawo, kuphulaphuleni ukuziphendulela kwam kuni ngoku.

2Bakuva ke ukuba udanduluka ngentetho yesiHebhere kubo, bazola okunye. Waza wathi:

3Mna ndiyindoda engumYuda; ndizalelwe okunene eTarso yelaseKiliki, kodwa ndondlelwe kulo mzi ezinyaweni zikaGamaliyeli; ndiqeqeshwe ngohlobo olucokisekileyo lomthetho woobawo, ndizondelela uThixo, njengokuba ninjalo nani nonke namhlanje.

4Ndingowayitshutshisayo yona le Ndlela, ndada ndesa ekufeni, ndibopha, ndifaka ezintolongweni amadoda kwanabafazi;

5njengokuba nombingeleli omkhulu endingqinela, nayo yonke intlanganiso yamadoda amakhulu; endamkela kubo iincwadi zokuya kubazalwana, ndahambela eDamasko, ndiya kuzisa nababekhona bebotshiwe eYerusalem, ukuze babethwe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ke kaloku kwathi, ndihamba, ndisondela eDamasko, malunga emini enkulu,
ngesiquphe ndabanekelwa ngeenxa zonke lukhanyiselo olukhulu luphuma ezulwini.

7Ndawa emhlabeni, ndeva ilizwi lisithi kum, Sawule, Sawule, unditshutshiselani na?

8Ndaphendula ke mna ndathi, Ungubani na, Nkosi? Yathi kum, Mna ndinguYesu
waseNazarete, omtshutshisayo wena.

9Bona ke ababenam balubona okunene ukhanyiselo olo, besuka boyika; kodwa
abalivanga ilizwi lalowo wayethetha nam.

10Ndathi ke, Ndithini na, Nkosi? Yathi ke iNkosi kum, Vuka, uye eDamasko;
woxelelwa khona ngazo zonke izinto ozimiselweyo ukuba uzenze.

11Ndakuba ke ndingenakondela ngenxa yobuqaqawuli bolo lukhanyiselo, ndarholwa
ngesandla ngabo babenam, ndafika eDamasko.

12Ke kaloku, Hananiya uthile, indoda emhlonelayo uThixo ngokomthetho,
engqinelwe kakuhle ngawo onke amaYuda amiyo khona,

13weza kum, wema kufuphi, wathi kum, Sawule, mzalwana, buya ubone. Ndaza mna
kwangelo lixa ndabheka phezulu kuye.

14Wathi ke yena, UThixo woobawo bethu ukumisile wena ukuba ukwazi ukuthanda
kwakhe, umbone lowo uliLungisa, uve ilizwi eliphuma emlonyeni wakhe;

15ngokuba ùya kuba lingqina lakhe kubo bonke abantu, lezinto ozibonileyo
nozivileyo.

16Nakaloku ùsalibele yini na? Suk' ume, ubhaptizwe, uhlambulule izono zakho,
unqula igama leNkosi.

17Ke kaloku kwathi, ndakuba ndibuyele eYerusalem, ndakubon' ukuba ndiyathandaza
etempileni, ndaba sethongweni;

18ndayibona isithi kum, Ngxama, uphume kamsinya eYerusalem; ngokokuba bengayi
kubamkela ubungqina bakho ngam.

19Ndathi mna, Nkosi, bayazi kakuhle bona ukuba mna ndandibafaka entolongweni,
ndibatyabula kuzo zonke izindlu zesikhungu abo bakholwayo kuwe;

20naxeshikweni laphalazwayo igazi likaStefano, ingqina lakho, ndaye ndimi kufuphi
nam, ndikuthakazela ukusikwa kwakhe, ndizigcinile iingubo zabo babemsika.

21Yathi kum, Hamba; ngokuba mna ndiya kukuthuma kude kwiintlanga.

Ibango likaPawulos engumRoma

22Bamphulaphula ke, wada wafika kwelo lizwi, baza baphakamisa izwi labo besithi,
Msuseni emhlabeni umntu onje; kuba akufanelekile ukuba adle ubomi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Ke kaloku, bakubon' ukuba bayankqangaza, belahla iingubo zabo, bephosa uthuli esibhakabhakeni,

24wathi umthetheli-waka, makangeniswe enqabeni yomkhosi; wathi makancinwe ngekatsi, ukuze azi ukuba kungathuba lini na ukuba benjenje ukunkqangaza ngaye.

25Ke kaloku, xa bamolulayo ngeentambo, wathi uPawulos kumthethelikhulu obemi khona, Kuvumelekile na, ukuba nimtyakatye umntu ongumRoma, engagwetywanga nokugwetywa?

26Evile ke umthetheli-khulu, waya wabika kumthetheli-waka, esithi, Yilumkele into oza kuyenza; kuba lo mntu ungumRoma.

27Weza ke umthetheli-waka wathi kuye, Ndixelele, ungumRoma na?

28Wathi ke yena, Ewe. Waphendula umthetheli-waka wathi, Mna ukungeniswa kwam kulo mzi waseRoma, ndakuzuza ngenani elikhulu. Wathi ke uPawulos. Ke mna ndizelwe ndínako.

29Basuka kuye kwaoko ngoko abo babeza kumncina; woyika ke nomthetheli-waka akuqonda ukuba ungumRoma, nangenxa yokuba ebembophile.

UPawulos ezithethelela phambi kwentlanganiso yamatyala

30Ke kaloku ngengomso, enga angayazi inyaniso yento amangalelwe ngayo ngamaYuda, wamkhulula ezintanjeni, wathi, mabeze ababingeleli abakhulu, nayo yonke intlanganiso yabo yamatyala; waza wamhlisa uPawulos, wammisa phakathi kwabo.

IZenzo 23

Iyelenqe lamaYuda lokuchasa uPawulos

1Waqwalasela ke uPawulos entlanganisweni yamatyala, wathi, Madoda, bazalwana, mna ndahlala ngokwalowo ungowakwaThixo, ndinesazela esilungileyo, kwada kwayile mini.

2Ke kaloku umbingeleli omkhulu, uHananiya, wathi kwabo babemi ngakuye, mabambethe emlonyeni.

3Waza wathi uPawulos kuye, Úza kukubetha uThixo, ludongandini luqatyiweyo. Wena uthi uhlalele ukuba uthethe ityala lam ngokomthetho, ubuye waphule umthetho, uthi mandibethwe?

4Bona ke ababemi khona bathi, Ùyamthuka na umbingeleli omkhulu kaThixo?

5Wathi uPawulos, Bendingazi, bazalwana, ukuba ungumbingeleli omkhulu; kuba kubhaliwe kwathiwa, Uze ungathethi kakubi ngomphathi wabantu bakowenu.

6Ke kaloku uPawulos, esazi ukuba elinye icala lelabaSadusi, elinye ke lelabaFarisi, wadanduluka entlanganisweni yamatyala esithi, Madoda, bazalwana, mna

© 1975 Bible Society of South Africa.

ndingumFarisi, ndingowomFarisi; ndimangalelwe mna ngalo ithemba nangovuko lwabafileyo.

7Uthe ke akukuthetha oko, kwabakho impambano phakathi kwabaFarisi nabaSadusi, yahlulelana inkitha leyo;

8kuba okunene abaSadusi babesithi, akukho luvuko, nasithunywa sazulu, namoya; kodwa abaFarisi bazivuma zombini ezo ndawo.

9Kwabakho ke unkqangazo olukhulu; besuka ababhali becala labaFarisi balwa kakhulu, besithi, Asifumani nanye into embi kulo mntu; ke ukuba kuthethe umoya kuye, nokuba sisithunywa sezulu, masingalwi noThixo thina.

10Kuthe ke, yakuba nkulu impambano, wathi umthetheli-waka, esoyikela ukuba uPawulos angáqwengwa ngabo, wathi mawuhle umkhosi, umxwile phakathi kwabo, umzise enqabeni yawo.

11Ke kaloku ngobo busuku iNkosi yema ngakuye, yathi, Yomelela, Pawulos; kuba njengokuba waqononondisa izinto ngam eYerusalem, kwangokunjalo umelwe kukuthi ungqine naseRoma.

12Ke kaloku kwakusa, abathile kumaYuda bathuthelana bazibopha ngesiqalekiso, besithi abayi kudla, abayi kusela nokusela, bade bambulale uPawulos.

13Baye ke bengaphezu kwamashumi omané ababefungele ukuyenza loo nto;

14abathi bona beza kubabingeleli abakhulu nakumadoda amakhulu, bathi, Sizibophile ngesiqalekiso esikhulu, ukuba singafaki nto emlonyeni, side simbulale uPawulos;

15ke ngoku nina bhekisani kumthetheli-waka kunye nentlanganiso yamatyala, ukuba amhlise, eze naye kuni ngomso, ngokungathi niza kuziqiqa ngokukhona kucokisekileyo iindawo ezithethwa ngaye; sibe ke thina, engekasondeli, sesilungiselele ukumbulala.

16Ke kaloku, akukuva unyana wodade boPawulos ukumlalela kwabo, wafika wangena enqabeni yomkhosi, wambikela uPawulos.

17UPawulos ubizele ke kuye omnye wakubathetheli-khulu, wathi, Yisa le ndodana kumthetheli-waka; kuba inento eza kuyibika kuye.

18Uyithabathile ke yena, wayizisa kumthetheli-waka, wathi, UPawulos, umbanjwa undibizele kuye, wacela ukuba ndizise le ndodana kuwe; inento eza kuyithetha kuwe.

19Wayibamba ke ngesandla umthetheli-waka, waya nayo ngasese, wayibuza wathi, Ùnantoni na oza kuyibika kum?

20Yathi ke, AmaYuda avumelene ukukucela ukuba umhlise uPawulos, umse ngomso entlanganisweni yamatyala, ngokungathi aza kubuza ngokukhona kucokisekileyo into ngaye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ke wena uze ungoyisakali ngawo; kuba kuwo apho úlalelwe ngamadoda angaphezu kwamashumi amané, azibophileyo ngeziqalekiso, ukuba angadli angaseli ade ambulale; nangoku aselelungile, elinde idinga elivela kuwe.

UPawulos uthunyelwa eKesareya

22Umthetheli-waka wayindulula ke indodana leyo, akuba eyithethele ngelithi, mayingaxeleli bani, ukuba izibonakalalisile kuye ezo ndawo.

23Ebizele kuye abathetheli-khulu abathile ababini, wathi, Lungisani amasoldati abe makhulu mabini, ukuba aye eKesareya, nabamahashe babe mashumi asixhenxe, nababinzi babe makhulu mabini, ngelesithathu ilixa lobusuku;

24nilungise namaqegu, ukuze bamkhwelise uPawulos, bamse kuFelikis irhuluneli, asinde.

25Wabhala incwadi ethi:

26UKlawudiyo Lisiya uyabulisa kuFelikis, irhuluneli edume kunene.

27Le ndoda yayibanjwe ngamaYuda, iza kubulawa ngawo; koko ndathi gaxa kuwo ndinomkhosi, ndayihlangula, ndakùqonda ukuba ingumRoma.

28Ndakuba ke ndingalazi ityala abeyimangalela ngalo, ndayihlisa, ndayisa entlanganisweni yawo yamatyala;

29ndayifumana imangalelwe ngeembuzwano zomthetho wawo, kodwa ingenalo nalinye ityala elilingene ukufa, nokufakwa iintambo.

30Ke kaloku, kwakubon' ukuba ndilihletyelwe iyelenqe ebeliza kwenziwa ngayo le ndoda ngamaYuda, ndithumele kuwe kwangelo lixa, ndathi nakubamangaleli bayo, mabazithethe kuwe iindawo abanazo ngakuyo. Hlala kakuhle.

31Amasoldati ke amthabatha uPawulos, njengoko amiselwe ngako, amsa kwa-Antipatri ebusuku.

32Kuthe ke ngengomso abashiya abamahashe, ukuba bahambe naye, wona abuyela enqabeni yomkhosi;

33bathi bona, bakufika eKesareya, bayinikela incwadi kwirhuluneli, bammisa noPawulos phambi kwayo.

34Iyilesile ke irhuluneli, yabuza nokuba ungowabuphi na uburhulumente; ithe yakuqonda ukuba ungowelaseKiliki, yathi,

35Ndokuva kakuhle, xa bathe bafika nabamangaleli bakho; yatsho yathi, makagcinwe endlwini yerhuluneli ebiyekaHerode.

IZenzo 24

Ukuthethwa kwetyala likaPawulos yirhuluneli uFelikis

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku, emva kweentsuku ezintlanu, wehla umbingeleli omkhulu, uHananiya, enamadoda amakhulu, neciko elithile elinguTertulo, bona bengabamangaleli bakaPawulos kwirhuluneli.

2Uthe ke akubizwa, waqala uTertulo ukummangalela, esithi:

3Sisiva uxolo olukhulu ngawe nje, zikho nje nezenzo eziluncedo ezenzelwe olu hlanga ngokwazalela kwakho, sikwamkela oko sibulela ngako konke, amaxesha onke, nasezindaweni zonke, Felikis odume kunene.

4Ke ukuze ndingabi sakubambezela ngakumbi, ndiyakubongoza ukuba ukhe usive kancinane ngokuthantamisa kwakho.

5Kuba siyifumene le ndoda isisifo, umphambanisi kuwo onke amaYuda akwelimiweyo, ingumkhokeli walo ihlelo lamaNazarete;

6eyathi yalinga ukuyihlambela netempile: esathi sayibamba, safuna ukuyigweba ngowethu umthetho;

7usuke uLisiya, umthetheli-waka, wafika, wayihlutha ngamandla amakhulu ezandleni zethu;

8wathi, mabeze kuwe abamangaleli bayo, ongáthi wena ngokwakho, wakuzincina zonke iindawo, ube nako ukuziqonda kuye ezo siyimangalela ngazo thina.

9NamaYuda ke avumelana naye, athi kunjalo kanye.

10Ke kaloku waphendula uPawulos, yakunqwala kuye irhuluneli ukuba athethe, wathi: Ndisazi kakuhle nje, ukuba sekuyiminyaka emininzi ungumgwebi kolu hlanga, kokukhona ndiziphendulela ngomxhelo owonwabileyo ngazo iindawo ezingam.

11Kuba ungánokuqonda, ukuba akuntsuku zingaphezu kweshumi elinambini, ndenyukayo ndaya kunqula eYerusalem;

12nasetempileni abandifumananga ndixoxa namntu, ndisenza nasiphendu, nasezindlwini zesikhungu, naphi phakathi komzi.

13Kananjalo àbanako ukuzimisa izinto abandimangalela ngazo ngoku.

14Ke ndiyakuvuma oku kuwe, ukuba ngeNdlela abathi bona sisiphambusa, ndenjènjalo ukumkhonza uThixo wakowethu, ndikholwa zizinto zonke ezibhaliweyo emthethweni nasebaprofetini;

15ndinethemba kuThixo, into ke abayilindileyo nabo ngokwabo, ukuba kuza kubakho uvuko lwabafileyo, lwamalungisa kwanolwabangemalungisa.

16Ke kaloku, kule nto nam ngokwam ndiyazama, ukuba ngamaxesha onke ndingabi nasazela sikhubekisa nganto ngakuThixo nangakubantu.

17Emva kweminyaka emininzi, ndafika ndizisa amalizo neminikelo kuhlanga lwakowethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Kwezo nto ándifumana etempileni ndenziwe nyulu, ndingenzi siphendu, ndingenzi nasiphithiphithi, amaYuda athile elaseAsiya;

19abemelwe kukubakho apha phambi kwakho, andimangalele, ukuba angaba anendawo ngakum;

20okanye mabathi bona aba, ukuba kukho nto yokungalungisi bayifumeneyo kum, bayixele, ndakubon' ukuba ndimi apha entlanganisweni yamatyala;

21ingelilo elo lizwi linye, ndadandulukayo ngalo ndimi phakathi kwabo, lokuthi, Kungalo uvuko lwabafileyo endimangalelwayo mna nini namhla.

UFelikis umisa ityala

22Ke kaloku, akuziva ezi zinto uFelikis, uthe, ezazi ngokhona kucokisekileyo iindawo zale Ndlela, wabalibazisa, wathi, Xa athe wehla uLisiya umthetheli-waka, ndoziqiqa kakuhle iindawo zenu.

23Kanjalo wammisela umthethelikhulu, ukuba agcinwe uPawulos, abe nokuyekelelwa, kungàlelwa nabani wakowabo ukumnceda, nokuba eze kuye.

24Ke kaloku, emva kwemihla ethile, wafika uFelikis enoDrusila umkakhe, umYudakazi, wathumela wambiza uPawulos, wamva ethetha ngako ukukholwa kuKristu.

25Akubon' ukuba ke uthetha ngobulungisa, nokuzeyisa, nangogwebo oluza kubakho, wangenwa kukoyika uFelikis, waphendula wathi, Hamba okwakalokunje: ke ndakùzuza ithuba, ndokubiza uze.

26Kunye ke noko, wayethembe ukuba wonikwa imali nguPawulos, ukuze amkhulule; ngako oko kwaba kukhona ambiza futhi, ukuba eze axoxe naye.

27Ke kaloku, kwakubon' ukuba kudlule iminyaka emibini, uFelikis wakhululana noPorkiyo Festo; kanjalo wathi uFelikis, efuna ukuzithandisa kumaYuda, wamshiya uPawulos ekhonkxiwe.

IZenzo 25

Ityala likaPawulos lithethwa phambi koFesto

1Uthe ngoko uFesto, akuba engene eburhulumenteni, wathi emva kwemihla emithathu, wenyuka waya eYerusalem, esuka eKesareya.

2Ke kaloku, umbingeleli omkhulu nabaziintloko kumaYuda bammangalela uPawulos kuye, bambongoza,

3becela ukuba abababale ngokumbiza eze eYerusalem; bemlalele ukuze bambulale endleleni.

4Waphendula ke ngoko uFesto, wathi, ugcinwe eKesareya uPawulos; naye ke ngokwakhe uza kuya kamsinya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Wathi, Mabathi ngoko abanako phakathi kwenu, behle kunye nam, bayimangalele,
ukuba kukho into kule ndoda.

6Akuba ke elibele kubo imihla engaphezu kweshumi, wehla waya eKesareya;
ngengomso, akuba ehleli esihlalweni sokugweba, wathi makaziswe uPawulos.

7Uthe ke akufika, amaYuda abehle evela eYerusalem, amngqonga, emtyhola
ngamatyala amaninzi anzima uPawulos, awayengenako ukuwamisa;

8esithi yena ukuziphendulela, Nasemthethweni wamaYuda, nasetempileni,
nakuKesare, andonanga nto.

9Ke uFesto, efuna ukuzithandisa kumaYuda, umphendule uPawulos wathi,
Ùyathanda na ukunyuka uye eYerusalem, lithethwe khona ityala lezi zinto phambi
kwam?

10Uthe ke uPawulos, Ndimi esihlalweni sokugweba sikaKesare, apho limele
ukuthethwa khona ityala lam. AmaYuda andiwonanga nganto, njengokuba nawe
usazi kakuhle.

11Kuba okunene ukuba ndonile, ndenza into elingene ukufa, andali kufa; kodwa
ukuba akukho nanye yezo zinto bandimangalela ngazo aba, akukho namnye unako
ukundinikela kubo. Ndibhenele kuKesare.

12Waza uFesto, akuba ethethe nephakathi, waphendula wathi, Ùbhenele kuKesare;
ùya kuya kuKesare.

UAgripa noBhernike

13Ke kaloku, kwakubon' ukuba kudlule imihla ethile, uAgripa, ukumkani, noBhernike
bafika eKesareya, besiza kubulisa uFesto.

14Bakulibala khona ke imihla emininzi, uFesto wazandlala phambi kokumkani lowo
izinto ezingaye uPawulos, esithi, Kukho ndoda ithile ishiyiweyo nguFelikis,
ikhonkxiwe,

15abathe ababingeleli abakhulu namadoda amakhulu amaYuda, oko ndibe
ndiseYerusalem, bayimangalela, becela ukuba igwetywe.

16Endathi ukubaphendula, Asilosiko lamaRoma ukubabala ngomntu abulawe,
phambi kokuba lowo umangalelweyo akhangelane nabamangaleli bakhe, azuze
nethuba lokuziphendulela ngalo ityala lakhe.

17Bakuba ngoko bebuthelene apha, àndilibazisanga; ngomhla olandelayo ndahlala
esihlalweni sokugweba, ndathi mayiziswe indoda leyo.

18Abamangaleli bayo, bakùvela, abamisanga nalinye ityala lezo zinto bendizindlela
kuzo mna;

© 1975 Bible Society of South Africa.

19ke baye beneembuzwano ezithile nayo ngokuhlonela kwabo izithixo, nangaYesu
uthile ufileyo, abesithi yena uPawulos uhleli.

20Ndakuthingaza ke mna ngawo umbuzo wale ndawo, ndathi, Ùnga ungaya
eYerusalem na, lithethwe khona ityala lezi zinto?

21Akubon' ukuba ke uPawulos ubhenele ukuba agcinelwe isigwebo soMhlekazi,
ndathi makagcinwe, ndide ndimthumele kuKesare.

22Wathi ke uAgripa kuFesto, Bendinga nam ndingakhe ndimve umntu lowo. Wathi ke
yena, Ùya kumva ngomso.

23Uthe ke akufika ngengomso uAgripa enoBhernike, benendili enkulu, bengene
nasendaweni yokuphulaphulela amatyala, benabathetheli-waka namadoda
amakhulu omzi, waziswa uPawulos ngezwi likaFesto.

24Wathi uFesto, Agripa kumkani, nani nonke madoda akhoyo nathi, niyambona lo
mntu, ethe yonke inkitha yamaYuda yasingisa kum ngaye, naseYerusalem nalapha,
ibhomboloza kakhulu isithi, akasafanele kudla ubomi;

25mna ke ndithe ndakùqonda ukuba akenzanga nto ilingene ukufa, akubon' ukuba
naye ngokwakhe ubhenele kuMhlekazi, ndagqiba kwelokuba ndimthumele kuye,

26endingenanto iyinyaniso ndingayibhalayo ngaye enkosini yam. Ngako oko ndimzisé
phambi kwenu, ngokukodwa phambi kwakho, kumkani Agripa, ukuze, kwakubon'
ukuba kunciniwe, ndibe nento endingayibhalayo;

27kuba kum kubonakala ibubudenge, ukuba kuthunyelwe ikhonkxwa,
lingaqondakaliswa netyala elinalo.

IZenzo 26

UPawulos uthetha phambi koAgripa

1Wathi ke uAgripa kuPawulos, Ùvunyelwe ukuba uziphendulele. Wandula uPawulos
waziphendulela, esolule isandla, wathi:

2Ndiva kamnandi, kumkani Agripa, ndiza kuziphendulela nje phambi kwakho namhla,
ngazo zonke izinto endimangalelwa ngazo ngamaYuda;

3ngokukodwa ekubeni usazana nawo onke amasiko neembuzwano zamaYuda.
Kungoko ndiyakuthandaza ukuba undive, undinyamezele.

4Ukuhlala kwam ke kwasebuncinaneni bam, okwabakho kwasekuqalekeni phakathi
kohlanga lwakowethu eYerusalem, ayakwazi onke amaYuda;

5endazi ngenxa engaphambili (ukuba athe athanda ukungqina), okokuba, ngelona
licokisekileyo ihlelo lonqulo lwakowethu, ndahlala ndingumFarisi.

6Nangoku ndimi ndimangalelwa ngenxa yethemba ledinga elabekwa nguThixo
kobawo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

7ezithembe ukufika kulo izizwe zakowethu ezilishumi elinazibini, zimkhonza
nje uThixongenyameko ubusuku nemini; ekungenxa yelo themba endimangalelwayo
ngamaYuda, kumkani Agripa.

8Yini na ukuba nithi, yinto eningenakukholwa yiyo, ukuba uThixo uyabavusa
abafileyo?

9Mna okunene ke bendiba ngelam, ndimelwe kukwenza izinto ezininzi ezichasene
negama likaYesu waseNazarete.

10Endakwenzayo ke oko eYerusalem; nento eninzi yabangcwele ndayitshixela
ezintolongweni, ndakuba ndamkele igunya kubabingeleli abakhulu; ndaza, bakuba
besikwa, ndavuma.

11Nakuzo zonke izindlu zesikhungu ndibe ndibohlwaya futhi, ndibanyanzela ukuba
banyelise; ndathi, ndibagezela ngokuncamisileyo, ndabatshutshisa, ndada ndesa
kwimizi engaphandle.

12Kunjalonje ke, kwathi, xa ndiyayo eDamasko, ndinegunya nemvume kubabingeleli
abakhulu,

13emini enkulu endleleni, kumkani, ndabona ukukhanya kuvela ezulwini,
okungaphezu kokuqaqamba kwelanga, kundibanekela ngeenxa zonke, nabò
babehamba nam.

14Sìthe ke sakubon' ukuba siwile sonke emhlabeni, ndeva izwi lithetha nam
ngentetho yesiHebhere, lisithi, Sawule, Sawule, unditshutshiselani na? wenzakala,
ukhaba iimviko nje.

15Ndathi ke mna, Ungubani na, Nkosi? Yathi ke yona, Mna ndinguYesu
omtshutshisayo.

16Vuka, ume ngeenyawo; kuba ndibonakele kuwe ngenxa yoku, ukuba ndikumise
ube ngumkhonzi nengqina lezi zinto uzibonileyo, nendiya kubonakala kuwe ngazo;

17ndikunyothula ebantwini nasezintlangeni, endikuthuma kuzo ngokunje;

18ukuba uvule amehlo abo, ukuze babuye ebumnyameni, beze ebumhlotsheni;
babuye egunyeni likaSathana, beze kuThixo; ukuze bamkele uxolelo lwezono, nelifa
phakathi kwabangcwalisiweyo, ngokukholwa kum.

19Ekuthe koko, kumkani Agripa, andaba nguye ongawululameliyo umbono
wasemazulwini;

20ndesuka ndababikela abaseDamasko kuqala, nabaseYerusalem, nakulo lonke ilizwe
lakwaYuda, nakuzo iintlanga, ukuba baguquke babuyele kuThixo, benze imisebenzi
efanele inguquko.

21Ngenxa yezi zinto amaYuda andibamba etempileni, azamela ukundibulala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Ngoko ndizuze uncedo kuThixo nje, ndimisile kude kube yile mini, ndingqina
komncinane nakomkhulu, ndingathethi nanye into ngaphandle kwezo, bathi
abaprofeti noMoses ziza kubakho;

23zokuba uKristu ubeza kuva iintlungu, nokuba ubeza kuthi, engowokuqala
eluvukweni lwabafileyo, azise ukukhanya ebantwini nasezintlangeni.

24Ke kaloku, akubon' ukuba uyaziphendulela ngokunjalo, uFesto wathi ngezwi
elikhulu, Ùyageza, Pawulos; imfundo eninzi iyakugezisa.

25Wathi ke yena, Andigezi, Festo odume kunene; ndiphimisela amazwi enyaniso
nawengqondo ephilileyo.

26Kuba ezo ndawo úyazazi kakuhle ukumkani, endithetha kuye ngokungafihlisiyo;
kuba ndikholosekile kukuba akukho nanye yezi zinto ifihlakeleyo kuye; kuba le nto
ibingenzelwanga egumbini.

27Ùyakholwa na, kumkani Agripa, ngabaprofeti? Ndiyazi ukuba uyakholwa.

28Wathi ke uAgripa kuPawulos, Ngokuncinane undeyisela ukuba ndibe ngumKristu.

29Wathi ke uPawulos, Ndithandaza kuThixo, ukuba ingabi nguwe wedwa, ibe ngabo
bonke abandivayo namhlanje, abaya kuthi, nangokuncinane nangokukhulu, babe
njengam nje, ngaphandle kwezi ntambo.

30Akuba etshilo, besuka ukumkani, nerhuluneli, noBhernike, kwanababehleli nabo;

31beshenxile, bathetha bodwa bathi, Lo mntu akenze nanye into elingene ukufa
neentambo.

32Wathi ke uAgripa kuFesto, Lo mntu ange enokukhululwa, ukuba ubengabhenele
kuKesare.

IZenzo 27

Uhambo lukaPawulos lokuya eRoma: uPawulos eKrete

1Ke kaloku, kwakugqitywa kwelokuba sisuke ngomkhombe siye kwelaseItali,
bamnikela uPawulos kwanabanye ababanjwa abathile kumthetheli-khulu, ogama
linguYuliyo, webutho loMhlekazi.

2Singenile ke emkhombeni waseAdramita, sisiza kudlula ngakwimimandla
yelaseAsiya, sanduluka, kwakubon' ukuba uAristarko, umMakedoni waseTesalonika,
unathi.

3Sathi ngengomso safika eTsidon; waza uYuliyo wamphatha uPawulos ngobubele,
wamvumela ukuba aye ezihlotyeni zakhe, ongiwe.

4Sanduluka nalapho, sahamba ngomkhombe, sabetha ezantsi kweSipro, ngenxa
yokuba imimoya ibivela ngaphambili.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Sakulucanda nolwandle olungakwelaseKiliki nelasePamfili, safika eMira yelaseLiki.

6Apho ke umthetheli-khulu wafumana umkhombe wakwa-Alesandire, usiya kwelaseItali, wasikhwelisa kuwo.

7Ke kaloku iintsuku zanela sihamba kancinane, kwaba ngenkankulu ukuba sifike ngaseKinido. Uthe wakuba umoya ungasivumeli ukuba sisondele, sabetha ezantsi kweKrete ngaseSalimone.

8Saza sadlula kuyo ngenkankulu, safika ndaweni ithile kuthiwa ngamaChweba aMahle, obukufuphi kuyo umzi waseLaseya.

Ukusinga eRoma: uqhwithela lolwandle nokuqhekeka kwenqanawa eMelita

9Lithe ke lakudlula ixesha elaneleyo, nokuhamba ngomkhombe kunengozi, ngenxa yokuba nozilo beluse ludlule,

10uPawulos wamana ebalúleka, esithi kubo, Madoda, ndiyabona ukuba uhambo olu luza kuba nenkxwaleko nokonakala okukhulu, kungekwamthwalo namkhombe wodwa, kukokobomi bethu nabo.

11Kodwa umthetheli-khulu wayethambele okomqhubi nokomninimkhombe ukuthetha, kunokukaPawulos.

12Ke kaloku, ichweba lingàkulungele nje ukuba kudluliswe busika kulo, abòna baninzi kubo baceba ukuba kundulukwe khona, ukuba mhlawumbi banganokufikelela badlulise ubusika eFinikis, elichweba laseKrete; elibheke kwintshonalanga engasezantsi, nakwintshonalanga engasentla.

13Kuthe ke, wakùbetha impepho umoya wasezantsi, beba bakuzuzile ababekungxamele, banduluka, badlula kufuphi neKrete.

14Kodwa kungekabi mzuzu, kwagaleleka khona umoya osisaqhwithi, ekuthiwa yiYuroklidon.

15Kuthe ke kwakubon' ukuba uthiwe hlasi umkhombe, awaba nako ukumelana nomoya, sasesiwuyeka; saqhutywa.

16Sathi sakubaleka ke, sibetha ngaphantsi kwesiqithana esithile, ekuthiwa yiKlawuda, kwaba ngenkankulu ukuba sibe nako ukuwubamba umkhonjana;

17abathe bakuwufunqula, basebenza ngezinto zokunceda, bewubhinqisa umkhombe; kananjalo bathi, besoyika ukuba bangeyela esihlabeni, bazifinyeza iiseyile, baqhutywa benjalo.

18Sithe ke, sakubon' ukuba ke sibandezelwe kakubi liliqhwa, ngomhla olandelayo bawuphungula umthwalo;

19nangowesithathu sayilahla ngezandla zethu impahla yomkhombe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Kuthe ke, kwakubon' ukuba akubonakali langa nankwenkwezi iintsuku ezininzi, kucinezele neliqhwa elingelincinane, laphela kwathi tu lonke ithemba lokuba singásindiswa.

21Emva kokuzila ukudla ixesha elide, wesuka wema uPawulos phakathi kwabo, wathi, Hina madoda, ninge naniphulaphule kum, ananduluka eKrete, nizuzane nale nkxwaleko noku konakala.

22Nangoku ndiyaniluleka ukuba nibe nomxhelo owonwabileyo; kuba kuni aba, akukho uya kulahlekelwa bubomi bakhe, yoba ngumkhombe wodwa.

23Kuba ngobu busuku bekumi ngakum isithunywa sikaThixo, endingowakhe, endimkhonzayo, sisithi,

24Musa ukoyika, Pawulos, umelwe kukuma phambi koKesare; uyabona, uThixo ukubabale ngabo bonke abasemkhombeni nawe.

25Kungoko ndithi, Yibani nomxhelo owonwabileyo, madoda; kuba ndiyakholwa nguThixo, ukuba kuya kuba njalo ngolo hlobo athethe ngalo kum.

26Kodwa simelwe kukuphoseka siqithini sithile.

27Ke kaloku, kwakufika ubusuku beshumi elinesiné, sakubon' ukuba siqhutywaqhutywa ngumoya eAdriya, mayela phakathi kobusuku, oomatrose bazindla ukuba kukho mhlaba uthile basondelayo kuwo.

28Baza bakuba beyiphosile ilothe, bafumana ukuba ziifatom ezimashumi mabini; bethe tyi ke kancinane, baphinda bayiphosa ilothe, bafumana ukuba ziifatom ezilishumi elinantlanu.

29Baza, besoyika ukuthi bangaphoseka ezindaweni ezibungqagala, baphosa iiankile zané esinqeni somkhombe, banga kungasa.

30Ke kaloku, bakubon' ukuba oomatrose bangxamele ukubaleka baphume emkhombeni, bewuhlisele elwandle umkhonjana, bengáthi baza kuyekelela iankile ngaphambili,

31wathi uPawulos kumthetheli-khulu nakumasoldati, Ukuba aba abathanga bahlale emkhombeni, aninakusindiswa nina.

32Andula amasoldati azinqamla iintsontelo zomkhonjana, awuyeka wawa, wemka.

33Ke kaloku kwada kwaza kusa, uPawulos ebabongoza bonke ukuba badle ukudla, esithi, Namhla ngumhla weshumi elinesiné nilinda, nimana nizila ukudla, ningafaki nto emlonyeni;

34ke ngoko ndiyanibongoza ukuba nidle ukudla; kuba oko kuyelelene nokusindiswa kwenu; kuba akuyi kuwa nalunwele lwentloko kabani kuni.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

35Ke kaloku, akuba etshilo, wathabatha isonka, wabulela kuThixo emehlweni abo bonke; waqhekeza, waqala wadla.

36Bonke ke baba nomxhelo owonwabileyo, bathabatha ukudla nabo.

37Saye ke emkhombeni apho sonke siyimiphefumlo emakhulu mabini anamanci asixhenxe anamithandathu.

38Bathe ke, bakuhlutha, bawenza khaphukhaphu umkhombe, beyiphosa elwandle ingqolowa.

39Kwakusa ke, abawazanga loo mhlaba; ke babona ichwetyana elithile linonxweme, babhunga ukuwutyhalela kulo umkhombe, ukuba bangaba nako.

40Baza, bezinqumla zonke iiankile, baziyekela elwandle, bezikhulule kunye nezibophelelo zemithi yokujika; bayitwabulula iseyilana ngasemoyeni, babhekisa elunxwemeni.

41Bakuba ke begaxeleke endaweni enolwandle ngeenxa zombini, wangqubeka khona umkhombe; umphambili wagxumekeka khona, wahlala awashukuma; ke sona isinqe saqhekeka ngamandla amaza.

42Ke kaloku icebo lamasoldati laba lelokuba babulawe ababanjwa, hleze kubekho obaleka ngokudada, aphume.

43Kodwa umthetheli-khulu, enga angamsindisa uPawulos, wawaléla kwicebo lawo; kananjalo wathi, abo banako ukudada mabaziphose kuqala baphumele emhlabeni;

44bathi abaseleyo, inxenye ikhwèle eziplangeni, inxenye ikhwèle kwezinye izinto zomkhombe. Kwaza kwathi ngokunjalo bafika emhlabeni, basinda bonke.

IZenzo 28

UPawulos eMelita

1Bakuba besindile, baqala ukuqonda ukuba isiqhithi eso kuthiwa yiMelita.

2Amabharbhari ke lawo asenzela ububele obungahlali busihla; kuba aphemba umlilo, asamkela sonke ngenxa yemvula esifikeleyo, nangenxa yokubanda.

3Ke kaloku, akubon' ukuba uPawulos utheze inyanda yeentsasa, wayibeka phezu komlilo, kwaphuma inyoka ebushushwini obo, yanamathela esandleni sakhe.

4Athe ke amabharbhari, akusibona isilo eso silengalenga esandleni sakhe, athetha odwa athi, Okwenene lo mntu ungumbulali; nakuba esindile elwandle, impindezelo ayivumi ukuba adle ubomi.

5Yena ngoko wasivuthululela emlilweni isilo eso, akeva buhlungu noko.

6Ke bona babelinde ukuba uza kudumba, mhlawumbi athi qwaka, afe; bakùlinda futhi ke, bakùbona engahliwa nto imbi, bajika bathi unguthixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Ke kaloku, kuloo mmandla bekukho imihlaba yomntu omkhulu wesiqithi, ogama linguPubliyo; owasamkela ngobubele, wasenza undwendwe lwakhe iintsuku zantathu.

8Kwathi ke, uyise kaPubliyo walala phantsi, ebanjwe yicesina nokuxaxaza igazi; awathi uPawulos, engene kuye, wathandaza; wabeka izandla phezu kwakhe, wamphilisa.

9Kuthe ke kwakwenzeka oko, bathi nabanye ababenezifo esiqithini apho, beza baphiliswa; bathi bona basenzela iimbeko ezininzi;

10bathi, xa sindulukayo, basithwesa ngezinto esizisweleyo.

Ukugqithela eRoma

11Ke kaloku, emva kweenyanga ezintathu, sanduluka ngomkhombe wakwa-Alesandire, obudlulise ubusika esiqithini eso, onembasa yamaWele.

12Sathi sakufika eSirakusi, sahlala khona iintsuku zantathu.

13Sisuka khona, sajikeleza safika eRegiyo; emva kosuku olunye, kwakubon' ukuba umoya wasezantsi uvukile, safika ngowesibini umhla ePotiyoli;

14safumana abazalwana apho, basibongoza ukuba sihlale nabo iintsuku zibe sixhenxe; seza ngokunjalo eRoma.

15Bathi abazalwana, bakusiva, baphuma khona apho, beza kusihlangabeza, bada beza eApiyoforo, naseTritabherne; athe uPawulos, akubabona, wabulela kuThixo, womelezeka.

16Ke kaloku, xeshikweni sifikileyo eRoma, umthetheli-khulu wabanikela ababanjwa kumthetheli-mkhosi; ke yena uPawulos wavunyelwa ukuba ahlale yedwa, nesoldati elimgcinayo.

UPawulos ubonana namaYuda eRoma

17Kwathi ke, emva kweentsuku ezintathu, uPawulos wabizela ndawonye abaziintloko bamaYuda; abathe bakubon' ukuba ke babuthelene, wathi kubo, Madoda, bazalwana, mna ndithe, ndingenzanga nto ichasene nabantu namasiko akowethu, ndesuka eYerusalem ndingumbanjwa, ndanikelwa ezandleni zamaRoma.

18Athe wona akundincina, afuna ukundikhulula, ngenxa yokuba kungekho tyala lakufa ndinalo.

19Athe ke amaYuda akùphika, ndanyanzeleka ukuba ndibhenele kuKesare; kungengakuba ndibe ndinento yokulumangalela ngayo uhlanga lwakowethu.

20Ndìnibongozé ke ngenxa yeso sizathu ukuba nize, ndinibone, ndithethe nani; kuba kungenxa yethemba lakwaSirayeli endinxitywe lo mxokelelwane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Wona ke athi kuye, Thina asizuzanga zincwadi zithetha ngawe, zivele kwelakwaYuda; kananjalo akufikanga bani wakubazalwana, owabika, wathetha nto ikhohlakeleyo ngawe.

22Sìnga ke singeva kuwe izinto ozicingayo; kuba okunene ngalo elo hlelo kuyazeka kuthi, ukuba lichasiwe ezindaweni zonke.

23Ke kaloku, bakummisela imini, kweza kuye into eninzi endlwini abehlala kuyo, wabatyhilela, ebaqononondisa kunene, ubukumkani bukaThixo; kananjalo ebebeyisela kokungoYesu, ethabatha emthethweni kaMoses kwanakubaprofeti, eqala kusasa ahlwise.

24Yaye inxenye iseyiseka ngaloo mazwi athethwa nguye, yaye inxenye ingàkholwa.

25Bakuba ke bengavumelani, banduluka, akubon' ukuba uPawulos uthethe zwi-nye, wathi,

26Watyapha uMoya oyiNgcwele ukuthetha ngoIsaya umprofeti koobawo bethu, esithi, Hamba uye kwaba bantu, uthi, Ukuva oku niya kuva, ningakhe niqonde; Nithi nibona nje, nibone, ningakhe niqiqe.

27Kuba intliziyo yaba bantu ithe fithi kukutyeba; Beva nzima ngeendlebe, Bewacima namehlo abo; Hleze babone ngamehlo, Beve ngeendlebe, Baqonde ngeentliziyo, Bajike, ndibaphilise. (UIsaya 6:9,10)

28Makwazeke ngoko kuni, ukuba usindiso lukaThixo luthunyelwe kuzo iintlanga; ziya kuluva zona.

29Akuba etshilo, emka amaYuda, enembuzwano enkulu phakathi kwawo.

Isiphelo

30Ke kaloku, uPawulos wahlala iminyaka emibini iphela kweyakhe indlu ayiqeshileyo, wabamkela bonke ababesiza kuye,

31ebuvakalisa ubukumkani bukaThixo, efundisa iindawo ezingeNkosi uYesu Kristu ngako konke ukungafihlisi, engalelwa bani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseRoma

KwabaseRoma 1

Umbuliso

1UPawulos, umkhonzi kaYesu Kristu, umpostile owabizwayo, wahlulelwa ukuvakalisa iindaba ezilungileyo zikaThixo,

2awazidingayo ngenxa engaphambili ngabo abaprofeti bakhe ezibhalweni ezingcwele,

3ebhekisele kuNyana wakhe, owazalwa engowembewu kaDavide ngokwenyama,

4owamiswayo ukuba unguNyana kaThixo, enamandla, ngokomoya wobungcwele, ngokuvuka kwabafileyo, uYesu Kristu ke, iNkosi yethu;

5esathi ngaye samkela ubabalo nobupostile, ukuze ngenxa yegama lakhe kubekho ukulululamela ukholo phakathi kwazo zonke iintlanga;

6eniphakathi kwazo nani, babiziweyo bakaYesu Kristu:

7ubhalela bonke abaseRoma, abaziintanda zikaThixo, abangcwele ababiziweyo, esithi, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi uYesu Kristu.

Ulangazelelo lukaPawulos lokuya eRoma

8Kuqala ke, ndiyabulela kuThixo wam ngoYesu Kristu ngenxa yenu nonke, kuba ukholo lwenu luxelwa ehlabathini liphela.

9Kuba ulingqina lam uThixo, endimkhonzayo ngomoya wam kwiindaba ezilungileyo zoNyana wakhe, okokuba andiyeki ukunikhankanya;

10ndihlala ndikhunga emithandazweni yam, ukuba ndingáde ngoku ndibe nempumelelo, ndize kuni nangakuphi, ngako ukuthanda kukaThixo.

11Kuba ndilangazelela ukunibona, ukuze ndinabele sibabalo sithile sisesomoya, ukuze nizimaseke;

12oko ke kukuze ndivuseleleke nam phakathi kwenu, ngalo ukholo olukuthi sobabini, ngolwenu kwanangolwam.

13Andithandi ke ukuba ningàzi, bazalwana, ukuba kúfuthi ndizimisela entliziyweni yam ukuza kuni (ndathintelwa kwada kwanamhla), ukuze ndibe nasiqhamo sithile naphakathi kwenu, kwanjengaphakathi kwezinye iintlanga.

14KumaGrike kwanakumabharbhari, kwizilumko kwanakwabaswele ukuqonda, ndimelwe kukushumayela.

15Ngokunjalo okukokwam ndingxamele ukuzishumayela iindaba ezilungileyo nakuni baseRoma.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Inkcazo yeendaba ezilungileyo

16Kuba andinazintloni ngazo iindaba ezilungileyo zikaKristu; kuba zingamandla
kaThixo okusindisa bonke abakholwayo, umYuda kuqala, kwanomGrike.

17Kuba ngazo kutyhilwa ubulungisa bukaThixo, buphuma elukholweni buse
elukholweni, njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Olilungisa ke uya kudla ubomi
ngokokholo. (UHabh. 2:4)

Ubungendawo beentlanga

18Kuba ityhilekile ingqumbo kaThixo ivela emazulwini, ichase konke ukungahloneli
Thixo, nentswela-bulungisa yabantu, abayithintelayo inyaniso ngokuswela
ukulungisa.

19Ngokokuba oko kwazekayo ngoThixo kuyabonakala ngaphakathi kwabo; kuba
uThixo wakubonakalalisa kubo.

20Kuba kwasekudalweni kwehlabathi, iindawo zakhe ezibe zingenakubonwa zibonwa
kakuhle, ziqondeke, ngezinto ezenziweyo, kwaamandla akhe angunaphakade,
nobuThixo bakhe, ukuze bangabi nakuziphendulela.

21Ngokokuba bathe, bemazi uThixo, àbamzukisa ngokoThixo, àbabulela kuye; basuka
bazizinto ezingento ezicamangweni zabo, yaza intliziyo yabo engenakuqonda
yenziwa yamnyama;

22bathi besiba bazizilumko, besuka baba ziziyatha;

23baza ubuqaqawuli bukaThixo ongenakonakala babananisela intsobi yomfanekiselo
womntu onokonakala, noweentaka, nowezinto ezizitho ziné, nowezinambuzane.

24Kungoko athe, besezinkanukweni zeentliziyo zabo, uThixo wabanikela
nokubanikela ekungcoleni, ukuba bahlazisane ngemizimba yabo;

25bona bananiséle ubuxoki inyaniso kaThixo, basihlonela basikhonza isidalwa,
begqitha kuMdali, ongowokubongwa kuse kuwo amaphakade. Amen.

26Ngenxa yoko, uThixo wabanikela ekuthabathekeni okulihlazo; kuba namankazana
abo umsebenzi wasemvelweni awananisela okunxamnye nemvelo;

27kwaza kwangokunjalo ke namadoda, ewushiya umsebenzi wenkazana
wasemvelweni, avutha ngokukhanukana kwawo, amadoda esenza kumadoda
okuziintloni, ezamkelela umbuyekezo wokulahleka kwawo, abemelwe ke nguwo.

28Njengokuba ke bekúmangele ukuhlala bemazi kakuhle uThixo, uThixo wabanikela
engqiqweni engacikidekileyo, ukuba benze izinto ezingafanelekileyo;

29bezele yiyo yonke intswelabulungisa, okungendawo, ukubawa, ulunya; bezele
ngumona, kukubulala, ziinkani, yinkohliso, bubumenemene;

© 1975 Bible Society of South Africa.

30ábasebezi, ábahlebi, abathiyekileyo kuThixo, abasileyo, abanekratshi, abaqhankqalazi, abacebi bezinto ezimbi, abangàbevayo abazali,

31abangenakuqonda, abaphuli beminqophiso, abangenabubele, abangenatarhu, abangenanceba;

32bona bathi, besazi kakuhle isimiselo sikaThixo, sokuba abo bazenzayo izinto ezinjalo bafanelwe kukufa, banganeli kukuzenza, basuka bathakazelele nabò bazenzayo.

KwabaseRoma 2

AmaYuda nawo anetyala

1Kungoko ndithi, Akunakuziphendulela, mntundini ugwebayo, nokuba ùngubani; kuba ngokugweba omnye, uzigweba kwawena; kuba wena ugwebayo wenza kwaezo zinto.

2Siyazi ke ukuba isigwebo sikaThixo siwa ngokwenyaniso phezu kwabo bazenzayo izinto ezinjalo.

3Ùcinga na ke, mntundini ugweba abo bazenzayo izinto ezinjalo, ube usenza kwazona nawe, ukuthi, uya kusisaba na wena isigwebo sikaThixo?

4Okanye ùyabudela na ubutyebi bobubele bakhe, nonyamezelo, nokuzeka kade umsindo; ungazi ukuba ububele bukaThixo bukusa enguqukweni?

5Ke ùthi, ngokuba lukhuni kwakho, nentliziyo yakho engenanguquko, uziqwebele ingqumbo, ngemini yengqumbo nokutyhilwa komgwebo onobulungisa kaThixo;

6oya kuvuza ulowo nalowo ngokwemisebenzi yakhe:

7abo bathi ngokomonde emsebenzini olungileyo bafune uzuko nembeko nokungonakali, ábavuze ngobomi obungunaphakade;

8ke kwabo beyelenqe, bangayithambeliyo inyaniso, basuke bathambele intswelabulungisa, kuya kubakho umsindo nengqumbo,

9imbandezelo noxinaniso emphefumlweni wabantu bonke abasebenza okubi, kowomYuda ukuqala, kwanakowomGrike;

10kubekho uzuko ke, nembeko, noxolo, kubantu bonke abasebenza okulungileyo, kumYuda ukuqala, kwanakumGrike.

11Kuba kuThixo akukho kukhetha buso.

12Kuba bonke abonileyo bengenamthetho, baya kutshabalala ngokunjalo bengenamthetho; nabo bonke abonileyo benomthetho, baya kugwetywa ngomthetho;

13kuba àsingabanela ukuba ngabaphulaphuli bawo umthetho, ábangamalungisa kuThixo; ngabenzi bawo umthetho abaya kugwetyelwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Kuba xa abeentlanga bathi, bengenamthetho, benze ngemvelo okomthetho, abo,
bengenamthetho nje, bangumthetho kubo ngokwabo:

15bona bawubonakalalisayo umsebenzi womthetho, ubhalwe ezintliziyweni zabo,
sibe isazela sabo singqinelana nawo, zibe izicamango zabo zimangalelana, ziphathe
kuziphendulela.

16Kuya kuba njalo mhlenikweni uThixo aya kuzigweba izinto ezifihlakeleyo zabantu,
ngokweendaba zam ezilungileyo ngoYesu Kristu.

17Ùyabona, wena unegama lokuba ungumYuda, wayame ngomthetho; uqhayisa
ngoThixo;

18ùyakwazi ukuthanda kwakhe; uzicikida izinto ezahlukeneyo, uwutyelwe umthetho;

19kananjalo wena ukholose ngokuthi ungumkhokeli weemfama, ulukhanyiselo lwabo
basebumnyameni,

20umluleki wabaswele ukuqonda, umfundisi weentsana, onesimilo sokwazi
nesenyaniso emthethweni.

21Ndithi, wena ke umfundisayo omnye, akuzifundisi? Wena ke uvakalisa ukuthi,
makungebiwa, uyeba?

22Wena ke uthi, makungakrexezwa, uyakrexeza? Wena ke ukruqukileyo zizithixo,
uphanga iitempile?

23Wena ke uqhayisa ngomthetho, uyamhlazisa uThixo ngokugqitha umthetho?

24Kuba igama likaThixo linyeliswa ngenxa yenu phakathi kwazo iintlanga, njengoko
kubhaliweyo.

25Kuba ulwaluko luyanceda okunene, ukuba ùyawenza umthetho; kodwa ukuba
ungumgqithi womthetho, ulwaluko lwakho lusuke lwaba kukungaluki.

26Ngoko ke, ukuba ongalukileyo uthi azigcine izimiselo zomthetho, àkuyi kuthi na
ukungaluki kwakhe kubalelwe ekuthini kukwaluka?

27Kuthi ukungaluki, oko kwasemvelweni, ngokuwuzalisa umthetho, kukugwebe wena
ungumgqithi-mthetho, noko unesibhalo nolwaluko?

28Kuba umYuda asingulowo unguye ngokwangaphandle, nolwaluko asilulo olo
lwangaphandle enyameni;

29umYuda ngulowo wasemfihlekweni, nolwaluko lolwentliziyo ngomoya,
kungengantetho: yena ùkudunyiswa kwakhe kungaphumi bantwini, kuphuma
kuThixo.

KwabaseRoma 3

Inkcaso iyaphendulwa

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Úgqithisele ngantoni na ngoko umYuda kwabanye? Kunceda ntoni na ukwaluka?

2Kukhulu, ngeendlela zonke. Kuba ke, ukuqala, báphathiswa izihlabo zikaThixo.

3Kuyini na khona, ukuba abathile abakholwanga? Ukungakholwa kwabo kokuphuthisa na ukuthembeka kukaThixo?

4Nakanye! UThixo yena makabe nenyaniso, bonke abantu ke babe ngamaxoki; njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Ukuze ube nokugwetyelwa emazwini akho, Wèyise ekumangalelweni kwakho. (INdum. 51:4)

5Ke ukuba ukuswela-kulungisa kwethu kuqondakalisa ubulungisa bukaThixo, sothini na? Úswele ukulungisa na uThixo, lo uhlisa umsindo wakhe? (Ndithetha ngokomntu.)

6Nakanye! Oko ubengáthini na uThixo ukuligweba ihlabathi?

7Ke ukuba inyaniso kaThixo iphuphumele ekuthini azukiswe ngobuxoki bam, ndisagwetywa ngani na mna ngokomoni?

8Yini na ukuba singabi sesisithi (ngoko ke sinyeliswayo, ngoko ke abathile bathi, sìthi thina), Masenze okubi, ukuze kuvele okulungileyo? abakugwetywa kuyeleleyo.

Uboni boluntu lonke

9Kuthiweni na ke? Sinomkhusane na? Hayi, unakanye! Kuba besesiwamisele ityala amaYuda kwanamaGrike, lokuba baphantsi kwesono bonke;

10njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Akukho lungisa, hayi, nalinye;

11Akukho uqondayo; Akukho umfunisisayo uThixo!

12Bonke baphambukile; bephelele, àbancedi lutho; Akukho wenza okulungileyo; akukho nokude abe mnye. (INdum. 14:3)

13Lingcwaba elivulekileyo umqala wabo, Ngeelwimi zabo bamana ukukhohlisa. (INdum. 5:9) Ubuhlungu bamaphimpi buphantsi kwemilebe yomlomo wabo. (INdum. 140:3)

14Abamlomo uzele kukuqalekisa nobukrakra. (INdum. 10:7)

15Iinyawo zabo zinamendu okuphalaza igazi;

16Lityumtyum neentsizi ezindleleni zabo;

17Nendlela yoxolo abayazanga. (UIsaya 59:7,8)

18Akukho koyika Thixo phambi kwamehlo abo. (INdum. 36:1)

19Siyazi ke ukuba izinto zonke ozithethayo umthetho, uzithetha kwabaphantsi komthetho; ukuze imilomo yonke ivingcwe, nehlabathi lonke libe netyala kuThixo.

20Ngokokuba, ngokwasemisebenzini yomthetho, akuyi kugwetyelwa nyama emehlweni akhe; kuba isono saziwe ngokubakho komthetho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ubulungisa bungokholo kuKristu

21Ngoku ke kubonakaliswe ubulungisa bukaThixo, kungekho mthetho, bungqinelwa
nguwo umthetho nabaprofeti;

22ubulungisa ke bukaThixo, obungokukholwa kuYesu Kristu, bube bobabo bonke,
buphezu kwabo bonke abakholwayo;

23kuba akukho kwahluka; kuba bonile bonke, basilelela eluzukweni lukaThixo;

24begwetyelwe ngesisa lubabalo lwakhe ngako ukukhululwa ngentlawulelo ekuYesu
Kristu;

25athe uThixo wammisa, ukuba abe sisicamagushelo ngegazi lakhe, ngako
ukukholwa, ukuze bubonakalaliswe ubulungisa bakhe ngenxa yokuyekelelwa
kwezono ezibe zenziwe ngenxa engaphambili, ekunyamezeleni kukaThixo;

26ukuze bubonakalaliswe ubulungisa bakhe ngeli xesha lakalokunje, ukuze abe
lilungisa, kwanomgwebeli walowo waselukholweni lukaYesu.

27Luphi na ngoko uqhayiso? Luvalelwe ngaphandle. Ngamthetho mni na?
Ngowemisebenzi na? Hayi!

28Ngomthetho wokholo. Ngoko ke sigqiba kwelithi, umntu ugwetyelwa ngokholo,
kungekho misebenzi yamthetho.

29Kanene uThixo ungowamaYuda odwa na? Akanguye na noweentlanga?

30Ewe, ngoweentlanga nazo; ekubeni emnye uThixo, oya kugwebela abolwaluko
ngokwaselukholweni, nabangengabolwaluko ngalo ukholo.

31Umthetho ngoko siyawuphuthisa na ngalo ukholo? Nakanye! Siyawumisa wona
umthetho.

KwabaseRoma 4

Umzekelo ka-Abraham

1Yintoni na ngoko esiya kuthi, uAbraham, ubawo wethu, ufumene yona
ngokwenyama?

2Kuba uAbraham, ukuba wayegwetyelwe ngokwasemisebenzini, ange eneqhayiya;
akanalo ke phambi koThixo.

3Kuba sithini na isibhalo? Sithi ke, Wakholwa uAbraham kuThixo, kwaza oko
kwabalelwa kuye ebulungiseni.

4Ke kaloku, kulowo usebenzayo, umvuzo àwubalelwa ngokwaselubabalweni;
ubalelwa ngokwasekubangweni.

5Ke kulowo ùngasebenziyo, ùthi akholwe kuye omgwebelayo lowo ungahloneli Thixo,
ukholo lwakhe lubalelwa ebulungiseni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

6kwanjengokuba noDavide eluncoma uyolo lwaloo mntu, uThixo ambalela
ubulungisa kungekho misebenzi, esithi,

7Banoyolo abazigqitho zixolelweyo, Abazono zigutyungelweyo;

8Inoyolo indoda eya kuthi iNkosi ingakhe ibalele sono kuyo. (INdum. 32:1,2)

9Olo luyolo ngoko lunconywayo lulolwabolwaluko bodwa na? Asilulo olwabo
bangebolwaluko nabo na? Kuba sithi, kuAbraham ukholo lwabalelwa ebulungiseni.

10Lwathiwani na ke ngoko ukubalelwa kuye? Esekwalukeni, esekungalukini, sini na?
Engekhona ekwalukeni; esekungalukini.

11Waza wamkela umqondiso wolwaluko, waba litywina lokuqinisa ubulungisa
bokholo abenalo esekungalukini: ukuba abe nguyise wabo bonke abakholwayo
besekungalukini, ukuze ubulungisa bubalelwe nakubo;

12nokuthi abe nguyise wabalukileyo, abanganele ukuba ngabalukileyo nje kodwa;
abathi phezu koko bahambe emkhondweni wokholo lobawo wethu uAbraham,
abenalo esekungalukini.

13Kuba ukumbeka ngedinga uAbraham, nokuba yimbewu yakhe, lokuba yindlalifa
yalo ihlabathi, bekungengamthetho; bekungobulungisa bokholo.

14Kuba abo basemthethweni, ukuba ngabo iindlalifa, ukholo lungaba lwenziwe into
engento, nedinga lingaba liphuthisiwe;

15kuba umthetho usebenza ingqumbo. Ke apho kungekho mthetho, akukho sigqitho.

16Ngenxa yoku, ilifa lelaselukholweni; ukuze libe ngokobabalo; ukuze idinga
liqiniseke kuyo yonke imbewu; lingabi kweyasemthethweni yodwa, libe
nakweyaselukholweni luka-Abraham, ongubawo wethu sonke

17(njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Ndikumisile ukuba ube nguyise weentlanga
ezininzi), phambi koThixo awakholwáyo kuye, obadlisa ubomi abafileyo, azibize izinto
ezingekhoyo, zinge zikho.

18Owakholwayo ngethemba, kungekho nethemba eli, ukuze abe nguyise weentlanga
ezininzi, ngokoko kwathethwayo: Iya kuba njalo imbewu yakho.

19Wathi, engebuthathaka nje ngokholo, akondela emzimbeni wakhe, obuselufile
(emayela ekhulwini leminyaka ezelwe), kwanokufa kwesizalo sikaSara;

20owathi, ngokusingisele kwidinga likaThixo, akathandabuza ngokungakholwa;
wesuka womelela ngokholo, ezukisa uThixo,

21eqinisekile ukuba oko akumise ngedinga, unako nokukwenza.

22Kungoko kwabalelwa nokubalelwa ebulungiseni kuye.

23Ke kaloku, ukuba kwabalelwa kuye, akubhalwanga ngenxa yakhe yedwa;

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

24kwabhalwa nangenxa yethu, thina kwakuza kubalelwa kuthi, thina bakholwayo
kulowo wamvusayo uYesu iNkosi yethu kwabafileyo;

25owanikelwa ngenxa yeziphoso zethu, waza wabuya wavuswa ngenxa
yokugwetyelwa kwethu.

KwabaseRoma 5

Isiqhamo sokholo

1Ngoko, sigwetyelwe nje ngokwaselukholweni, sinoxolo kuThixo ngayo iNkosi yethu
uYesu Kristu;

2esaba nako ngaye ukuthi singene ngokholo kolu lubabalo simiyo kulo, siqhayise
ngokuthemba uzuko lukaThixo.

3Asikukuphela ke oko; sizingca nangeembandezelo ezi, sisazi ukuba imbandezelo
isebenza unyamezelo;

4unyamezelo ke lusebenzaukucikideka; ukucikideka ke kusebenza ithemba;

5ithemba ke alidanisi, ngokuba uthando lukaThixo luthululelwe ezintliziyweni zethu
ngoMoya oyiNgcwele, esamnikwayo.

Uthando lukaThixo lubonakaliswe ekufeni kukaKristu

6Kuba uKristu uthe, sakubon' ukuba sisengama-athalala, wabafela ngexesha
elimisiweyo abangahloneli Thixo.

7Kuba kungángenkankulu ukuthi ubani afele ilungisa; kuba uthi mhlawumbi ubani
abe nobuganga bokumfela olungileyo;

8ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi, sakubon' ukuba
sisengaboni, uKristu asifele.

9Kokukhona sigwetyelwe nje ngegazi lakhe, siya kusindiswa ngaye kuyo ingqumbo.

10Kuba xa sithe, besiziintshaba nje, saxolelaniswa noThixo ngako ukufa koNyana
wakhe: kokhona, síxolelanisiwe nje, siya kusindiswa ngobomi bakhe.

11Asikukuphela ke oko; singabazingca nokuzingca nangaye uThixo, ngayo iNkosi
yethu uYesu Kristu, esamkele ngayo kalokunje uxolelaniso olo.

Ukufa kuze ngoAdam; ubomi buze ngoKristu

12Ngenxa yoko, njengokuba isono sangena ngamntu mnye ehlabathini, kwangena ke
ukufa ngaso isono; kwaza ngokunjalo ukufa kwabatyhutyha abantu bonke, ekubeni
bonke bonayo;

13kuba kude kwakho umthetho, kukho isono ehlabathini, sibe ke isono
singabalelwa mntwini kungekho mthetho.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Ukufa ke kwalawula, kuthabathela kuAdam kwezisa kuMoses, nakwabo
bangonanga ngokufana nesigqitho sika-Adam, oyintsobi yalowo ubeza kubakho.

15Sisuke isiphoso asaba njengoko sinjalo sona isibabalo. Kuba, xa abaninzi aba bafa
sisiphoso salowo mnye, kokukhona ubabalo lukaThixo, nesipho esingobabalo olu
lwaló mntu mnye, uYesu Kristu, saphuphumela kubo abaninzi aba.

16Kanjalo sona isipho asinjengokuba kwaba njalo ngalowo mnye wonayo. Kuba
okunene isigwebo seza ngenxa yalowo mnye, sesa ekugwetyweni; ke sona
isibabalo seza ngenxa yeziphoso ezininzi, sesa ekugwetyelweni.

17Kuba, xa kwathi ngesiphoso salowo mnye ukufa kwalawula ngalowo mnye,
kokukhona baya kuthi aba bakwamkelàyo ukuphuphuma kobabalo, noko kuphiwa
ubulungisa, babe nokulawula ebomini ngaye lo umnye, uYesu Kristu.

18Ngoko ke, njengokuba kwathi ngasiphoso sinye kwabakho ukugwetywa kwabo
bonke abantu, ngokunjalo kothi nangesenzo esinye sobulungisa, kubekho
ukugwetyelwa ubomi kubo bonke abantu.

19Kuba njengokuba kwathi, ngokungeva komntu omnye lowo, abaninzi benziwa
aboni, ngokunjalo kuya kuthi, nangokuva komnye lo, abaninzi benziwe amalungisa.

20Ke kaloku umthetho wangena nawo, ukuze isiphoso sande; ke apho sandayo isono,
lwaphuphuma ngakumbi ubabalo;

21ukuze, njengokuba isono saba nokulawula ngokufa, ngokunjalo nobabalo lube
nokulawula ngobulungisa, luse ebomini obungunaphakade, ngaye uYesu Kristu,
iNkosi yethu.

KwabaseRoma 6

Ukumanywa noKristu akuvumelani nesono

1Masithini na ngoko? Masihlale sihleli na esonweni, ukuze ubabalo lwande?

2Nankanye! Thina safayo nje kwisono, singáthini na ukuba sahlala kuso?

3Anazi na ukuba thina sonke, sàbhaptizelwayo kuKristu Yesu, sabhaptizelwa ekufeni
kwakhe?

4Ngoko ke sangcwatywa naye ngokubhaptizelwa ekufeni; ukuze, njengokuba uKristu
wavuswayo kwabafileyo ngalo uzuko loYise, sithi ngokunjalo nathi sihambe sinobomi
obutsha.

5Kuba xa similiselwe kuye ngentsobi yokufa kwakhe, somiliselwa kuye
nangeyokuvuka kwakhe;

6síkwazi nje oku, ukuba umntu wethu omdala wabethelelwa emnqamlezweni kunye
naye, ukuze umzimba wesono uphuthiswe, size singabi sasikhonza isono;

7kuba owafayo ugwetyelwe, wakhululwa kuso isono.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ukuba ke safa kunye noKristu, siyakholwa ukuba sodla ubomi kwakunye naye;

9sisazi ukuba uKristu, evusiwe nje kwabafileyo, akabi safa; ukufa akusamphathi ngabukhosi.

10Kuba ukufa awakufayo, wakufa kwisono kwaba kanye; ubomi ke abudlayo, ubudlela kuThixo.

11Ngokunjalo nani zibaleleni ekuthini, ningabafileyo okunene kwisono; kodwa ningabadla ubomi kuThixo, nikuKristu Yesu, iNkosi yethu.

12Ngoko isono masingalawuli emzimbeni wenu onokufa, ukuze nisilulamele ngokwenza iinkanuko zawo.

13Kanjalo amalungu enu maningawanikeli kuso isono, ukuba abe ziintonga zentswelabulungisa; manizinikele ngokwenu kuThixo, ngokwabaphile babengabafileyo, niwanikele kuThixo amalungu enu, ukuba abe ziintonga zobulungisa.

14Kuba isono asiyi kuniphatha ngabukhosi; kuba aniphantsi komthetho, niphantsi kobabalo.

Ukuzekelisa ngobukhoboka

15Kuthiweni na ngoko? Sone na, kuba singephantsi kwamthetho, siphantsi kobabalo?

16Nakanye! Anazi na ukuba lowo nizinikela kuye ukuba ngabakhonzi bokumlulamela, ningabakhonzi ngoku kulowo nimlulamelayo: nokokuba ningabesono, nisingise ekufeni, nokokuba ningabolulamo, nisingise ebulungiseni?

17Makubulelwe ke kuThixo, ukuba nithe, beningabakhonzi besono, nawululamela ngokwentliziyo umfuziselo wemfundiso enanikelwayo kuwo;

18nathi, nákuba nikhululwe ke kuso isono, nakhonziswa kubo ubulungisa.

19Ndithetha ngokwabantu, ngenxa yobulwelwe benyama yenu; kuba, njengoko nawanikelayo amalungu enu ukuba abe ngabakhonzi bako ukungcola nokuchasa umthetho, ukuba nichase umthetho: ngokunjalo kalokunje, wanikeleni amalungu enu ukuba abe ngabakhonzi kubo ubulungisa, ukuba ningcwaliseke.

20Kuba, oko nibe ningabakhonzi besono, beningabakhululekileyo kubo ubulungisa.

21Naye ninasiqhamo sini na ke ngelo xesha, ngezi zinto nineentloni ngazo ngoku? Kuba isiphelo sazo kukufa.

22Kaloku ke, nikhululwe nje kuso isono, naza nakhonziswa kuThixo, nìnaso isiqhamo senu sokuba ningcwaliseke; isiphelo ke sibe bubomi obungunaphakade.

23Kuba umvuzo wesono kukufa; ke sona isibabalo sikaThixo bubomi obungunaphakade, kuKristu Yesu iNkosi yethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseRoma 7

Ukuzekelisa ngomtshato

1Anazi na, bazalwana (kuba ndithetha kwabawaziyo umthetho), ukuba umthetho umphatha ngobukhosi umntu ngexesha lonke adla ubomi ngalo?

2Kuba umfazi owendileyo, ubotshiwe ngumthetho kwindoda yakhe, lo gama idla ubomi; ukuba ke ithe yafa indoda, ukhululekile kuwo umthetho ombophe endodeni.

3Ngoko ke, ukuba úthe waba kuyimbi indoda, yakubon' ukuba indoda yakhe isadla ubomi, kothiwa ngumkrexezikazi. Ke ukuba ithe yafa indoda yakhe, woba ukhululekile kuwo umthetho, ukuba angabi mkrexezikazi, ethe waba kuyimbi indoda.

4Ngoko ke, bazalwana bam, nani n'abulawa nafa kuwo umthetho ngawo umzimba kaKristu, ukuba nibe kuwumbi, kulowo ke wavuswa kwabafileyo, ukuze sixakathe isiqhamo kuThixo thina.

5Kuba oko besikwinyama, ukuthabatheka zizono, okube kuxhokonxwa ngawo umthetho, kwakusebenza emalungwini ethu ekuxakatha isiqhamo esisa ekufeni.

6Ke ngoku sikhululwe thina kuwo umthetho, safayo nje kwesasibanjwe kuko, ngokokude sikhonze sinobutsha bomoya, singakhonzi sinobudala bomthetho obhaliweyo.

Umthetho nesono

7Síthini na ke? Umthetho usisono na? Nakanye! Ke ngendingasazanga isono, ukuba bekungengamthetho; kuba nenkanuko ngendingayazanga, ukuba umthetho ubungatshongo ukuthi, Uze ungakhanuki.

8Isono ke sizuze ithuba ngawo umthetho, sasebenza ngaphakathi kwam yonke inkanuko; kuba, kungekho mthetho, isono sifile.

9Mna ke bendifudula ndiphilile, ungekho umthetho; uthe ke wakufika umthetho, sabuya saphila isono,

10ndafa ke mna; waza umthetho obumiselwe ubomi, wafumaneka kum inguwona usingisa ekufeni.

11Kuba isono sithe, sizuzé ithuba ngawo umthetho, sandilukuhla, saza ngawo sandibulala.

12Ngoko ke umyalelo okunene ungcwele; nomthetho ungcwele, unobulungisa, ulungile.

13Oko ke kulungileyo kwaba kukufa na ke kum? Nakanye! Saye sisisono; ukuze sibonakale sisisono, sisebenza ukufa kum ngoko kulungileyo; ukuze isono ngawo umthetho sibe sisono ngokuncamisileyo.

Imvelo yomntu embaxa

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Kuba siyazi ukuba umthetho ungowomoya; ke mna ndingowenyama; kuthengiswe
ngam, ndaba phantsi kwesono.

15Kuba oko ndikwenzayo andikwazi mna; kuba endikuthandayo, oko andikwenzi;
endikuthiyayo, oko ndiyakwenza;

16ukuba ke endingakuthandiyo ndenza khona oko, ndivumelana nomthetho ukuba
mhle.

17Ngoko ke ayisendim osebenza oko, seyisisono esi simiyo ngaphakathi kwam.

18Kuba ndiyazi ukuba ngaphakathi kwam, oko kukuthi enyameni yam, akumi
okulungileyo; kuba ukuthanda kukhó ukubakho oku kum; ke kona ukukusebenza
okuhle andikufumani.

19Kuba okulungileyo endikuthandayo, andikwenzi; khona okubi, endingakuthandiyo,
oko ndiyakwenza.

20Ukuba ke endingakuthandiyo mna, ndenza khona oko, ayisendim okusebenzayo
oko, seyisisono esi simiyo ngaphakathi kwam.

21Ndifumana ngoko lo mthetho kum, ukuba kuthi, ndífuna ukukwenza okuhle,
kusuke kubekho okubi kum.

22Kuba ndikholene nomthetho kaThixo ngokomntu ongaphakathi;

23kodwa ndibona mthetho wumbi, emalungwini am, usilwa nomthetho wengqiqo
yam, undithimbela emthethweni wesono, lowo usemalungwini am.

24Athi ke mna, mntu uludwayi! Azi, ngubani na oya kundihlangula kuló mzimba woku
kufa?

25Ndiyabulela kuThixo ngoYesu Kristu, iNkosi yethu. Ngoko ke mna ngokwam ngayo
ingqiqo okunene ndikhonza umthetho kaThixo; kodwa ngayo
inyama ndikhonza umthetho wesono.

KwabaseRoma 8

Ubomi ngokoMoya

1Ngoko ke, ngoku akukho kugwetywa kwabakuKristu Yesu; abangahambiyo
ngokwenyama, abahamba ngokoMoya.

2Kuba umthetho woMoya wobomi, ndakuba kuKristu Yesu, wandikhulula
emthethweni wesono nokufa.

3Kuba ekukhohlweni komthetho, ekubeni uswele amandla ngayo inyama, uthe
uThixo, ethume owakhe uNyana, efana nenyama elawulwa sisono, emthume ngenxa
yesono, wasigweba isono esenyameni leyo;

4ukuze ibango lomthetho lizaliseke kuthi, thina singahambiyo ngokwenyama;
sihambayo ngokoMoya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Kuba abo bangokwenyama banyamekela izinto zasenyameni; abo ke bangokoMoya banyamekela izinto zaseMoyeni.

6Kuba ukunyameka kwenyama ikukufa; ukunyameka ke koMoya bubomi noxolo.

7Ngokokuba ukunyameka kwenyama kububutshaba kuThixo; kuba umthetho kaThixo kungawululameli, kuba kungenako nokuba nako ukwenjenjalo.

8Abo ke bakwinyama, abanakumkholisa uThixo.

9Ke nina anikwinyama; nikuMoya, ukuba kumi okunene uMoya kaThixo ngaphakathi kwenu. Ukuba ke umntu akanaye uMoya kaKristu, akangowakhe lowo.

10Ukuba ke uKristu ungaphakathi kwenu, umzimba okunene ufile ngenxa yesono; kodwa uMoya ububomi ngenxa yobulungisa.

11Ukuba ke uMoya walowo wamvusayo uYesu kwabafileyo, umi ngaphakathi kwenu, yena owamvusayo uKristu kwabafileyo uya kuyenza iphile nemizimba yenu enokufa, ngaye uMoya wakhe omiyo ngaphakathi kwenu.

Oonyana bakaThixo

12Ngoko ke, bazalwana, singabanetyala; kodwa kungekuyo inyama ukuze siphile ngokwenyama.

13Kuba xa niphila ngokwenyama, niza kufa; ke ukuba niyazibulala ngoMoya, zife iintlondi zomzimba, nophila.

14Kuba bonke abakhokelwa nguMoya kaThixo, bangoonyana bakaThixo abo.

15Kuba anamkelanga moya wabukhoboka, ukuba nibuye noyike; namkéle umoya wokwenziwa oonyana, esidanduluka ngawo sithi, Abha, Bawo.

16UMoya ngokwakhe ungqinelana nomoya wethu, ukuba singabantwana bakaThixo.

17Ukuba ke singabantwana, sikwaziindlalifa; iindlalifa zikaThixo, iindlalifa ke kunye noKristu; ukuba okunene siva ubunzima kunye naye, ukuze sizukiswe nokuzukiswa kunye naye.

Ubuqaqawuli obuzayo

18Kuba ndigqiba kwelithi, iintlungu zeli xesha lakalokunje azinakulinganiswa nobuqaqawuli obu buza kutyhilwa kuthi.

19Kuba ukulangazelela kwendalo kulinde ukutyhileka koonyana bakaThixo.

20Kuba indalo yalulanyiselwa kokungelutho, kungengakuvuma kwayo, kungenxa yowayilulamisayo,

21inethemba lokuba nendalo ngokwayo iya kukhululwa ebukhobokeni bokonakala, isingiswe enkululekweni yozuko lwabantwana bakaThixo.

22Kuba siyazi ukuba yonke indalo iyancwina, inenimba kunye, unangoku.

© 1975 Bible Society of South Africa.

23Asiyiyo ke yodwa; sisuka nathi, banayo intlahlela yoMoya, thina aba ke ngokwethu, sincwine ngaphakathi kwethu, silinde ukwenziwa oonyana; inkululeko yomzimba wethu ke leyo.

24Kuba sasindiselwa ethembeni; ke ithemba elise libonwa asithemba; kuba oko akubonayo umntu, angaba usakuthembeleni na?

25Ukuba ke sithembe ukuzuza oko singakuboniyo, sikulinda kakhulu, sinomonde.

26Ngokukwanjalo ke noMoya uncedisana nokuswela kwethu amandla; kuba esingákuthandazelayo ngokoko simelwe kukuthandaza ngako, asikwazi; uthi ke uMoya ngokwakhe asithethelele ngezincwino ezingathethekiyo.

27Ke oziphengululayo iintliziyo uyakwazi into okuyiyo ukunyameka koMoya; ngokuba ubathethelela abangcwele ngokukaThixo.

28Siyazi ke ukuba zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bamthandayo uThixo, kwababiziweyo ngokwengqibo yakhe.

29Ngokuba abo wabazíyo ngenxa engaphambili, wabamisela ngenxa engaphambili ukuba bafane nomfanekiselo woNyana wakhe, ukuze abe ngowamazibulo kubazalwana abaninzi.

30Abo ke wabamisayo ngenxa engaphambili, wabuya wababiza bona; waza abo wababizayo, wabuya wabagwebela bona; abo ke wabagwebelayo, wabuya wabazukisa nokubazukisa bona.

Uthando lukaThixo

31Síthini na ke ngoko kwezi zinto? Ukuba uThixo ungakuthi, ngubani na ongasichasayo?

32Lowo, gxebe, ungamconganga owakhe uNyana, wesuka wamnikela ngenxa yethu sonke, angáthini na ukuba angasibabali ngazo zonke ezo zinto, ndawonye naye?

33Ngubani na oya kumangalela abanyulwa bakaThixo, inguThixo nje obagwebelayo?

34Ngubani na ogwebayo, inguKristu nje owafayo? ngaphezu koko ke, wabuya wavuka; ongasekunene kukaThixo, osithethelelayo?

35Ngubani na oya kusahlula eluthandweni lukaKristu? Yimbandezelo na, luxinaniso na, yintshutshiso na, yindlala na, bubuze na, yingozi na, likrele na?

36Njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Ngenxa yakho sibulawa imini yonke; Sibalelwe ekuthini sizizimvu zokuxhelwa. (INdum. 44:22)

37Kanti ke kwezo zinto zonke, sisuka soyise sigqithisele, ngaye owasithandayo.

38Kuba ndeyisekile kukuba nakufa, nabomi, nazithunywa zezulu, nazilawuli, naziphathamandla, nanto zikhoyo, nanto zizayo, nabuphakamo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

39nabunzulu, nasinye isidalwa esisimbi, asiyi kuba nako ukusahlula thina eluthandweni lukaThixo, olukuye uKristu Yesu, iNkosi yethu.

KwabaseRoma 9

Intlungu kaPawulos ngokungakholwa kwamaSirayeli

1Ndithetha inyaniso ndikuKristu, andixoki, sibe nesazela sam sindingqinela ndiseMoyeni oyiNgcwele,

2ukuba ndineentlungu kakhulu, nentuthumbo enkulu engapheliyo, entliziyweni yam.

3Kuba bendingáde ndinqwenele ukusingelwa phantsi mna ngokwam, ndahlukaniswe naye uKristu, ngenxa yabazalwana bam, abayimizalwane yam ngokwenyama, abangamaSirayeli bona;

4ekukokwabo ukwenziwa oonyana, nokuzukiswa, nokuphiwa iminqoqhiso, nokuwiswa komthetho, nenkonzo kaThixo, namadinga;

5abangababo ooyise; awaphuma kubo uKristu ngokwenyama, uThixo ongophezu konke, engowokubongwa kude kube ngunaphakade. Amen.

Amadinga kaThixo akalambathanga

6Ke, xa nditshoyo, andithethi nto nje, ngokungathi ilizwi likaThixo liphalele. Kuba asingabo bonke abaphuma kuSirayeli abangamaSirayeli;

7kananjalo àbathe, ngakuba beyimbewu ka-Abraham, baba ngabantwana bonke; kusuke kwathiwa, Imbewu yakho iya kubizwa ngoIsake;

8oko kukuthi, àsingabantwana benyama abangabantwana bakaThixo; ngabantwana bedinga ababalelwa ekuthini bayimbewu.

9Kuba lilo eli ilizwi ledinga, Ngeli xesha nyakenye ndiya kuza, waye uSara eya kuba nonyana.

10Alipheli apho ke; kwathi nakuRebheka, akubon' ukuba ukhawule ngamnye, ngoIsake ubawo wethu,

11nakuba abantwana babengekazalwa, bengekenzi nto nelungileyo nembi, ukuze ingqibo kaThixo ngokonyulo ihlale ihleli, ingengokwasemisebenzini, ingokwalowo ubizayo:

12kwathiwa kuye, Omkhulu uya kukhonza komnci;

13njengokuba kubhaliwe kwathiwa, UYakobi ndamthanda, ke uEsawu ndamthiya. (UMal. 1:2,3)

UThixo akasweli bulungisa

14Síthini na ke ngoko? Kukho ukuswela kulungisa kusini na kuye uThixo?

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Nakanye! Kuba esithi kuMoses, Ndiya kuba nenceba kosukuba ndinenceba kuye,
ndibe netarhu kosukuba ndinetarhu kuye.

16Ngoko ke asikokothandayo, kanjalo asikokobalekayo; kokukaThixo onenceba.

17Kuba isibhalo sithi kuFaro, Ndakúvelisela yona le nto, yokuba ndiwabonakalalisele
kuwe amandla am, nokuthi laziswe igama lam kulo lonke ihlabathi.

18Ngoko ke únenceba kwathanda ukumenzela inceba, athi ke athandayo amenze
lukhuni.

UThixo unguSomandla

19Ùya kuthi kum ngoko, Úsasolelani na ke? Kuba ngubani na omelana necebo lakhe?

20Ehla ke, mntundini! Ùngubani na wena, ukuba uphendulane noThixo? Into
exonxiweyo ingátsho na kumxonxi wayoukuthi, Yini na ukuba undenjenje
ukundenza?

21Khona akanagunya na umbumbi wodongwe ukwenza, ngadongwe lwambumba-
nye, esinye isitya sibe sesembeko, nesinye sibe sesingesambeko?

22Hi, ukuba ke uThixo, ethanda ukubonakalalisa ingqumbo yakhe, nokwazisa
amandla akhe, wathwala enokuzeka kade okukhulu izitya zengqumbo, zilungiselwe
intshabalalo;

23ukuze abazise ubutyebi bozuko lwakhe ezityeni zenceba, abezilungisele uzuko
ngenxa engaphambili;

24ezi wazibizayo, kwathina aba, kungekuwo amaYuda odwa, kukwiintlanga nazo?

25Njengokuba esithi nakwekaHoseya, Ndiya kubabiza abangebantu bam ngokuba
ngabantu bam; Nongathandiweyo, ngokuba ngothandiweyo. (UHos. 2:23)

26Kwakuya kuthi, apho kwabe kusithiwa kubo, Aningabantu bam nina, Babizwe apho
ngokuthi, Ningoonyana bakaThixo ophilileyo. (UHos. 1:10)

27Ke uIsaya udanduluka ngoSirayeli, esithi, Nangona inani loonyana bakaSirayeli
lingangentlabathi yaselwandle, ngamasalela odwa aya kusindiswa (uIsaya 10:22);

28kuba elifeza ilizwi, aligqibe ngobulungisa; ngokuba iNkosi iya kwenza
ilizwi layo phezu komhlaba, ilifinyeze.

29Kwanjengokuba uIsaya ebetshilo ngenxa engaphambili ukuthi, Ukuba iNkosi
yemikhosi ibingasishiyelanga mbewu, Ngesibe saba njengeSodom, ngesibe senziwa
safana neGomora. (UIsaya 1:9)

Imbangi yokusilela kukaSirayeli

30Síthini na ke ngoko? Sìthi, iintlanga ebezingasukeli bulungisa, zabubamba
ubulungisa, ubulungisa ke baselukholweni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

31kodwa yena uSirayeli, obesukela umthetho wobulungisa, akafikelelanga emthethweni wobulungisa.

32Ngani na? Ngokuba ukusukela kwakhe kwaye kungengokwaselukholweni; kwaye kungáthi kungokwasemisebenzini yomthetho. Kuba bábetheka elityeni eli lokubetheka,

33njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Yabona, ndibeka eZiyon ilitye lokubetheka, Iliwa lesikhubekiso; bonke abakholwayo kuye abayi kudaniswa. (UIsaya 28:16)

KwabaseRoma 10

1Bazalwana, inkolelo yeyam intliziyo, nesikhungo sam kuye uThixo, ngenxa yamaSirayeli, sesokuba asindiswe.

2Kuba ndiyabangqinela ukuba banokumzondelela uThixo, koko bengamzondeleli ngokokwazi okukuko.

3Kuba bathe, bengàbazi ubulungisa bukaThixo, befuna nokumisa obabo ubulungisa, ababululamela ubulungisa bukaThixo.

4Kuba intsingiselo yomthetho nguKristu, ukuze abe bubulungisa kubo bonke abakholwayo.

Indlela entsha yobulungisa yeyomntu wonke

5Kuba uMoses ubulungisa basemthethweni uthi ukububhala, Umntu ozenzileyo ezi zinto uya kuphila zizo.

6Ke bona obaselukholweni ubulungisa buthetha ngolu hlobo, Musa ukuthi entliziyweni yakho, Ngubani na oya kunyuka aye emazulwini ukuba ahlise uKristu? nokuthi,

7Ngubani na oya kuhla aye enzonzobileni, ukuba anyuse uKristu kwabafileyo?

8Buthini na ke? Buthi, Ilizwi eli likufuphi kuwe, emlonyeni wakho nasentliziyweni yakho: elo ke lilizwi lokholo, eli sivakalisa lona.

9Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba uyiNkosi uYesu, wakholwa ngentliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa.

10Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe.

11Kuba isibhalo sithi, Bonke abakholwayo kuye abayi kudaniswa.

12Kuba akukho kwahluka kwamYuda namGrike; kuba ikwayiloo Nkosi eyiNkosiyabo bonke, ibubutyebi kubo bonke abayinqulayo.

13Kuba bonke abasukuba belinqula igama leNkosi bosindiswa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Bothini na ke ukumnqula lowo bangakholwanga kuye? Bothini na ke ukukholwa kulowo bangamvanga? Bothini na ke ukuva, kungekho mshumayeli?

15Bothini na ke ukushumayela, bengathunywanga? Njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Hayi, ukuba zintle kwazo iinyawo zabashumayela iindaba ezilungileyo zoxolo, zabashumayela iindaba ezilungileyo zezinto ezilungileyo! (UIsaya 52:7)

16Àbazilulamelanga ke bonke iindaba ezilungileyo, kuba uIsaya uthi, Nkosi, ngubani na owakholwayo ludaba lwethu?

17Ngoko ke ukholo luphuma eludabeni, udaba ke lukho ngelizwi likaThixo.

18Ingaba kodwa, abevanga na? Ehla wena! Intlokoma yabo yaphuma, yaya kulo lonke ihlabathi, Namazwi abo aya eziphelweni zelimiweyo. (INdum. 19:4)

19Ndithi, Kodwa ubengazi na uSirayeli? Ukuqala, uMoses uthi, Mna ndiya kunikhweletisa ngabangeluhlanga, Ndiya kunicaphukisa ngohlanga olungenangqondo. (IDut. 32:21)

20Ke yena uIsaya akanqwanqwi; uthi, Ndifunyenwe ngababengandifuni, Ndaba nokubonakala kwababengandibuzi. (UIsaya 65:1)

21Ke ngokubhekisele kuSirayeli uthi, Imini yonke izandla zam ndizolulele kubantu abangevayo, abaphikayo. (UIsaya 65:2)

KwabaseRoma 11

USirayeli akalahlwanga kwaphela

1Ngoko ke ndithi, UThixo ubagibile na abantu bakhe? Nakanye! Kuba nam lo ndingumSirayeli wasembewini ka-Abraham, wesizwe sikaBhenjamin.

2UThixo akabagibanga bona abantu bakhe, abebazi ngenxa engaphambili. Okanye aniyazi na indawo ethetha ngoEliya esibhalweni, ukumangalela kwakhe amaSirayeli kuThixo, esithi,

3Nkosi, abaprofeti bakho ábabulele, nezibingelelo zakho ázichithile; mna ndisele ndedwa; afuna ke ubomi bam?

4Sisuka esikaThixo isihlabo sithini na kuye? Sithi, Ndizishiyele amadoda angamawaka asixhenxe, angagobanga dolo kuBhahali wona.

5Ngokunjalo ke ngoko, nakweli xesha lakalokunje, kukho amasalela ngokonyulo lobabalo.

6Ukuba ke kungobabalo, akusengamisebenzi; okanye ubabalo alungebi saba lubabalo.

7Kuthiweni na ngoko? Kuthiwe, Khona oko akungxameleyo amaSirayeli akakufumananga; ke abanyuliweyo bakufumana, bathi ke abanye baqaqadekiswa;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8njengokuba kubhaliwe kwathiwa, UThixo ubanike umoya wokuqoba, amehlo okuba bangaboni, neendlebe zokuba bangeva, kwada kwaba yimini yanamhla.

9Kanjalo uDavide uthi, Isithebe sabo masibe sisibatha, nesihogo sokubambisa, Nesikhubekiso, nesiphindezelo kubo:

10Makenziwe abe mnyama amehlo abo, ukuba bangàboni; Nomhlana wabo wugobe amaxa onke. (INdum. 69:22,23)

11Ndithi ngoko, Bakhubeka ukuze bawe na? Nakanye! Kuthe ngesiphoso sabo, usindiso lwafika kuzo iintlanga, ukuze zibakhweletise.

12Ukuba ke isiphoso sabo siba bubutyebi behlabathi, nokuncipha kwabo kuba bubutyebi beentlanga, yobeka phi na inzaliseko yabo?

Usindiso lweentlanga: ukuzekelisa ngokumilisela umthi komnye

13Kuba ndithetha kuni, zintlanga. Ekubeni okunene mna ndingumpostile weentlanga, ndiyaluzukisa ulungiselelo lwam;

14ukuba ndingáde ndibakhweletise abenyama yam, ndisindise inxenye yabo.

15Kuba xa ukulahlwa kwabo kuluxolelaniso lwehlabathi, koba yintoni na ukwamkelwa kwabo? Akububomi obuphuma kwabafileyo, yini na?

16Ukuba ke intlahlela ingcwele, ikwanjalo nentlama; ukuba ke ingcambu ingcwele, akwanjalo namasebe.

17Ke ukuba inxenye yamasebe yaxhuzulwa, wathi ke wena, úngumnquma wasendle nje, wamiliselwa phakathi kwawo, waba lidlelane nengcambu nokutyeba komnquma:

18musa ukuwaqhayisela amasebe; ke ukuba ùyawaqhayisela, yazi ukuba asinguwe oyithweleyo ingcambu; yingcambu ethwele wena.

19Ùya kuthi ngoko, Áxhuzulwa amasebe, ukuze mna ndimiliselwe.

20Utyaphile; áxhuzulwa ngokungakholwa, ke wena umi ngokholo; musa ukukratsha, yoyika.

21Kuba, xa uThixo angawaconganga awasemvelweni amasebe, lumka hleze angakucongi nawe lo.

22Khawububone ke ububele nobukhali bukaThixo; ubukhali okunene kwabo bawayo; kodwa kuwe, ububele, ukuba uthe wahlala kobo bubele; okanye wogawulwa nawe lo.

23Nabo ke, ukuba abathanga bahlale ekungakholweni, bomiliselwa; kuba uThixo unako ukubuya abamilisele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Kuba wena, xa wagawulwa kumnquma ongowasendle ngokwemvelo, waza wamiliselwa ngokunxamnye nemvelo komhle umnquma: bobeka phi na aba bangamasebe ngokwemvelo, ukumiliselwa kwabo kowabo umnquma?

Injongo yokugqibela kaThixo yinceba kubo bonke

25Kuba andithandi, bazalwana, ukuba ningayazi le mfihlelo, ukuze ningabi ziingqondi ngokwenu: le yokuba ukuqaqadeka kuwahlele amaSirayeli ngenxenye, ide ingene inzaliseko yazo iintlanga;

26aze ngokunjalo ke wonke uSirayeli asindiswe, njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Úya kuvela eZiyon uMhlanguli, Akusonge kumke kwaYakobi ukungahloneli Thixo.

27Nguwo ke lo umnqophiso wam nabo, Xa ndithe ndazisusa izono zabo. (UIsaya 59:20)

28Okunene ngokweendaba ezilungileyo, baziintshaba ngenxa yenu; kodwa ngokonyulo, ngabaziintanda ngenxa yoobawo.

29Kuba azinabuyambo izibabalo ezi, nobizo olu lukaThixo.

30Kuba, njengokuba nani benifudula ningamvi uThixo, ngoku ke nenzelwe inceba kukungeva kwabo abo;

31kwangokunjalo, nabo ababanga namvo ngoku, ukuze ngokwenzelwa kwenu inceba, benzelwe nabo inceba.

32Kuba uThixo ubavalele ndawonye entsweleni-kuva bonke, ukuze abenzele inceba bonke.

33Hayi, ubunzulu bobutyebi nobobulumko nobokwazi kukaThixo! Asikuko nokuba ayiphengululeki imigwebo yakhe, azilandeki iindlela zakhe!

34Kuba ngubani na oyazileyo ingqiqo yeNkosi? Ngubani na khona othe waba ngumcebisi wayo?

35Ngubani na khona owayinikayo ngenxa engaphambili, kwaza kwabuyekezwa kuye?

36Ngokuba ziphuma kuyo ke, zikho ngayo, zikholo yona, zonke ezo zinto. Malube kuyo uzuko, kude kube ngunaphakade. Amen.

KwabaseRoma 12

Ubomi obutsha

1Ndiyanivuselela ngoko, bazalwana, ngeemfefe zikaThixo, ukuba niyinikele imizimba yenu ibe lidini eliphilileyo, elingcwele, elikholekileyo kuThixo: inkonzo yenu ke leyo yasengqondweni.

2Kanjalo ningamilisi okweli phakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukuthanda kukaThixo okulungileyo, okukholekileyo, okuzalisekileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Eyona ndlela yokusebenzisa izipho zoMoya

3Kuba ngalo ubabalo endababalwa ngalo, ndithi kubo bonke abaphakathi kwenu, mabangazicingeli ngaphezu koko bamelwe kukuzicingela ngako; mabazicingele ingcinga ephilileyo, njengoko uThixo abelé ulowo nalowo umlinganiso wokholo.

4Kuba, kwanjengokuba sinamalungu amaninzi mzimbeni mnye, abe ke onke amalungu la engenamsebenzi mnye,

5ngokunjalo thina aba, sibaninzi nje, simzimba mnye kuKristu, sonke ke ngabanye singamalungu omnye elomnye.

6Sinezibabalo nje ke ezahlukahlukileyo, ngokobabalo esababalwa ngalo, nokuba sinokuprofeta, masiprofete ngokomlinganiselo wokholo;

7nokuba sinobulungiseleli, masihlale ebulungiselelini obo; nokuba ngofundisayo, makahlale emfundisweni leyo;

8nokuba ngovuselelayo, makahlaleekuvuseleleni oko; owabàyo makabe engenakumbi; owongamelayo, makongame enyamekile; owenza inceba makayenze inceba echwayithile.

Imithetho yobomi bobuKristu

9Uthando malungabi naluhanahaniso; kuthiyeni okungendawo, namathelani kokulungileyo.

10Mayela nothando olu lobuzalwana, ndithi, yenzelanani ububele; mayela nembeko leyo, phangelanani;

11mayela nokunyameka oko, musani ukunqena; mayela nomoya lo, vuthani;

12mayela neNkosi le, khonzani; mayela nethemba, vuyani; mayela nembandezelo, nyamezelani; mayela nomthandazo, zingisani;

13mayela neentswelo zabangcwele, yibani nobudlelane; ukubuka iindwendwe kusukeleni.

14Basikeleleni abanitshutshisayo; sikelelani, ningaqalekisi.

15Vuyani nabavuyayo, nilile nabalilayo.

16Cingelanani nto-nye; musani ukucinga izinto eziphakamileyo, tsalelani kwezithobekileyo. Musani ukuba ziingqondi ngokwenu.

17Ningabuyekezi ububi ngobubi nakubani. Khathalelani okùhle emehlweni abantu bonke.

18Ukuba kunokwenzeka, okukokwenu nina, hlalani ninoxolo nabantu bonke.

19Musani ukuziphindezelela, zint'anda; yikhweleleni ingqumbo; kuba kubhaliwe kwathiwa, Impindezelo yeyam, kuya kubuyekeza mna, itsho iNkosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Ngoko ke, ukuba utshaba lwakho lulambile, luphe ludle; ukuba lunxaniwe, luseze;
kuba ngokwenjenjalo ke, woba ufumba amalahle omlilo phezu kwentloko yalo.

21Musa ukweyiswa bububi; boyise ububi ngokulungileyo.

KwabaseRoma 13

Ngokuthobela abaphetheyo

1Yonke imiphefumlo mayiwalulamele amagunya awongamileyo. Kuba akukho gunya
lingelilo elivela kuThixo; amagunya ke akhoyo amiswe nguThixo.

2Ngoko ke olichasayo igunya, umelene nommiselo kaThixo; abo ke bameleneyo
nawo, baya kuziguqulela ukugwetywa.

3Kuba abaphathi aba asingabokoyikwa kwimisebenzi
elungileyo, ngabokoyikwa kwemibi. Ùnga akungeloyiki na ke igunya? Yenza
okulungileyo, wodunyiswa kwalilo;

4kuba lingumlungiseleli kaThixo, wokuba kulungele wena. Ke, ukuba usuka wenze
okubi, yoyika; kuba alifumane laliphatha ikrele, kuba lingumlungiseleli kaThixo,
umphindezeli ngengqumbo kowenza okubi.

5Kungoko ndithi, kufuneka ukulilulamela, ningakwenzi oko ngenxa yengqumbo
yodwa, nikwenze nangenxa yesazela.

6Kuba kukwangenxa yoko eninikela irhafu; kuba ngababusi bakaThixo, bezingisa
ukusebenza loo nto.

7Ngoko bonke banikeni okubafaneleyo; mnikeni irhafu ofanelwe yirhafu, unikelo
ofanelwe lunikelo, ukoyika ofanelwe kukoyikwa, imbeko ofanelwe yimbeko.

Uthando lobuzalwana

8Musani ukuba natyala lanto mntwini, lingelilo elokuthandana; kuba omthandayo
omnye uzalise umthetho.

9Kuba oku kuthi, Uze ungakrexezi, uze ungabulali, uze ungebi, uze ungangqini buxoki,
uze ungakhanuki, nokuba kukho wumbi umthetho, uhlanganiselwe kweli lizwi
lokuthi, Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako.

10Uthando alusebenzi bubi kuye ummelwane; ngoko uthando luyinzaliseko
yomthetho.

Ukusondela kwemini kaKristu

11Ke oko masikwenze, silazi nje ixesha eli, ukuba lilixa lokuba ngoku sivuke
ebuthongweni; kuba ngoku usindiso lukufuphi kuthi, kunokuyá saqalayo ukukholwa.

12Ubusuku buhambile, ukusa ke kusondele. Masiyilahle ngoko imisebenzi
yobumnyama, sixhobe iintonga zokukhanya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Masihambe sizibekile ngokwasemini; kungabi sezindywaleni nasekunxileni; kungabi sekuphimiseni naseburheletyweni; kungabi sezinkanini nasemoneni.

14Yambathani ke iNkosi uYesu Kristu; ize ukwazalelela inyama ningakwenzeli ukukhwezelela iinkanuko zayo.

KwabaseRoma 14

Ukunyamezela abo bathandabuzayo

1Lowo ke uswele amandla elukholweni, mamkeleni, kodwa ke kungabi ngokucalula zicamango.

2Omnye okunene uyakholwa ukuba angàzidla izinto zonke; kodwa yena oswele amandla udla imifuno yodwa.

3Lowo udlayo, makangamenzi into engeyakonto ongadliyo; nalowo ungadliyo, makangamgwebi odlayo; kuba uThixo umamkele.

4Ùngubani na wena ugweba isicaka somnye? Ukuma kwaso, nokuba kukuwa kwaso, kusenkosini yaso. Síya kuma ke; kuba uThixo unako ukusimisa.

5Omnye okunene ubeka umhla othile kunomnye umhla, wumbi ke ubeka imihla yonke. Elowo nalowo makaqiniseke kweyakhe ingqiqo.

6Lowo uwunyamekelayo umhla, uwunyamekelela iNkosi; nalowo ungawunyamekeliyo umhla, engawunyamekeli nje, wenzela iNkosi; lowo udlayo, udlela iNkosi, kuba ebulela kuThixo; nalowo ungadliyo, engadli nje, wenzela iNkosi, abe ebulela kuThixo.

7Kuba akukho namnye kuthi uzidlelayo ubomi, akukho namnye uzifelayo.

8Kuba nokuba sithi sidle ubomi, sibudlela iNkosi; nokuba sithi sife, sifela iNkosi. Ngoko ke, nokuba sithi sidle ubomi, nokuba sithi sife, singabeNkosi.

9Kuba uKristu wafa, wabuya wavuka, wabuya wadla ubomi, ngenxa yoku, ukuze aphathe ubukhosi kwabafileyo, kwanakwabaphilileyo.

10Ke wena, yini na ukuba umgwebe umzalwana wakho? Hi wena, yini na ukuba umenze into engeyakonto umzalwana wakho? Kuba thina siya kuma sonke phambi kwesihlalo sokugweba sikaKristu.

11Kuba kubhaliwe kwathiwa, Ndihleli nje mna, itsho iNkosi, aya kugoba kum onke amadolo, Zidumise uThixo zonke iilwimi. (UIsaya 45:23)

12Ngoko ke elowo kuthi uya kuziphendulela kuThixo.

13Masingabi sagwebana ngoko; kanye yithini ukugweba, makungabekwa siwiso, nasikhubekiso, phambi komzalwana.

14Ndiyazi, ndeyisekile, ndiseNkosini uYesu nje, ukuba akukho nto iyinqambi ngokwayo; kodwa ke kuye obalela into ekuthini iyinqambi, kulowo iyinqambi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ukuba ke umzalwana wakho wenziwa buhlungu ngenxa yokusuka udle, akusahambi ngokothando. Musa ukumtshabalalisa ngokudla kwakho, yena lowo uKristu wamfelayo.

16Ngoko okulungileyo kwenu makunganyeliswa.

17Kuba ubukumkani bukaThixo abukukudla nakusela; bubulungisa noxolo novuyo kuMoya oyiNgcwele.

18Kuba omkhonzayo uKristu kwezo zinto, ukholekile kakuhle kuye uThixo; ucikidekile nakubo abantu.

19Ngoko ke masisukele izinto zoxolo, nezinto zokwakhana.

20Musa ukuthi, ngenxa yokudla, uwuchithe umsebenzi kaThixo. Okunene, konke kuhlambulukile; kodwa ke kubi kuloo mntu uthi ngokudla akhubekise.

21Kuhle ukuba ungadli nyama, ungaseli wayini, ungenzi nto angabetheka kuyo umzalwana wakho, akhubeke kuyo, aswele amandla okuzigcina.

22Wena unokholo na? Hlala nalo emehlweni kaThixo. Únoyolo lowo ungazigwebiyo kuloo nto ayicikidileyo.

23Ke lowo uthandabuzayo, ukuba uthe wadla, uselegwetyiwe, kuba engadli ngokwaselukholweni; konke ke okungekokwaselukholweni kusisono.

KwabaseRoma 15

1Thina ke bomeleleyo sifanele ukukuthwala ukuswela amandla kwabangomeleleyo, singazikholisi.

2Masithi sonke ngabanye simkholise ummelwane kokumlungeleyo, ukuze akheke.

3Kuba naye uKristu akazikholisanga; wathi, njengokuba kubhaliwe, Iingcikivo zabakungcikiváyo záwa phezu kwam.

4Kuba izinto zonke ezabhalwayo ngenxa engaphambili, zaye zibhalelwa okwethu ukufundiswa, ukuze sithi ngalo unyamezelo novuselelo lwezibhalo sibe nalo ithemba.

5Wanga ke uThixo wonyamezelo novuselelo anganinika ukucinga nto-nye phakathi kwenu, ngokukaKristu Yesu;

6ukuze nithi, nimxhelo mnye, nimzukise ngamlomo mnye uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu.

7Kungoko ndithi, Yamkelanani, njengokuba naye uKristu wasamkelayo, ukuba kuzukiswe uThixo.

8Ke kaloku ndithi, uYesu Kristu waba ngumlungiseleli wolwaluko ngenxa yenyaniso kaThixo, ukuze aqiniseke amadinga akhe koobawo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9zithi ke iintlanga zimzukise uThixo ngenxa yenceba yakhe, njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Ngenxa yoko, ndiya kukudumisa phakathi kweentlanga, Ndilibethele uhadi igama lakho. (INdum. 18:49)

10Kananjalo athi, Yibani nemihlali, zintlanga, ndawonye nabantu bakhe. (IDut. 32:43)

11Kananjalo, Yidumiseni iNkosi, nonke nina zintlanga, Niyibonge, nonke nina bantu. (INdum. 117:1)

12Kananjalo uIsaya uthi, Liya kubakho iHlumelo likaYese; Úya kuvela oya kulawula iintlanga; Ziya kuthembela kuye iintlanga. (UIsaya 11:1,10)

13Wanga ke uThixo wethemba elo anganizalisa ngalo lonke uvuyo noxolo ekukholweni, ukuze niphuphume ithemba ngamandla oMoya oyiNgcwele.

Ungxengxezo lukaPawulos ngokubhala angafihlisi

14Ke kaloku, bazalwana bam, ndeyisekile nam ngokwam, mayelana nani, kukuba nani ngokwenu nizele nazaliswa kukulunga, nizele kuko konke ukwazi, nínako nokululekana.

15Kodwa ke ndibhalile kuni ngobuganga obukhulu kwezinye iindawo, bazalwana, ngokophindayo ukunikhumbuza ngenxa yobabalo awandibabala ngalo uThixo,

16ukuze ndibe ngobúsela iintlanga kuYesu Kristu, osebenza ububingeleli ngazo iindaba ezilungileyo zikaThixo, ukuze ukusondezwa kweentlanga kwamkeleke kakuhle, kúngcwalisiwe ngoMoya oyiNgcwele.

17Ngoko ndiyazingca, ndíkuKristu Yesu, ngezinto ezilunge kuThixo.

18Kuba mna andiyi kuba nabuganga bakuthetha nto ngezinto angazisebenzanga uKristu ngam, ukuze zimlulamele iintlanga, ngelizwi ke nangomsebenzi,

19ngamandla emiqondiso nezimanga, ngamandla oMoya kaThixo; endide ndathi, ndithabathela eYerusalem, ndajikelezisa, ndezisa kwelaseIliriko, ndazizalisa iindaba ezilungileyo zikaKristu.

20Ndenjénjalo ke ukuzondelela ukushumayela iindaba ezilungileyo; kungekhona apho uKristu wakhankanywayo, ukuze ndingakhi phezu kwesiseko somnye;

21kube njengokuba kubhaliwe, kwathiwa, Abo bangabikelwanga nto ngaye, baya kubona; Nabo bangevanga nto, baya kuqonda. (UIsaya 52:15)

Iinjongo zikaPawulos ngehambo yakhe

22Kungoko ndabanjezelwayo nokubanjezelwa futhi, ukuba ndingafiki kuni.

23Ngoku ke ndíngasenandawo nje kule mimandla, ndíneminyaka ke emininzi ndilangazelela ukuza kuni,

© 1975 Bible Society of South Africa.

24xa ndihambela kwelaseSpani, ndoza kuni; kuba ndithemba ukunibona xa ndicandayo kuni, nokuphelekelelwa nini ukuya khona, ukuba ndithe kuqala ndakha ndadlelana nani ngokwaneleyo.

25Kalokunje ke ndisinga eYerusalem, ndisiya kulungiselela abangcwele.

26Kuba kwakholeka kwabelaseMakedoni nabelaseAkaya, ukuba badlelane namahlwempu abo bangcwele baseYerusalem ngokuwupha okuthile.

27Ndithi kwakholeka kubo, kuba kakade banetyala kubo. Kuba iintlanga, xa zadlelanayo nabo ngezinto zabo ezizezomoya, zifanele ukubabusela ngezizezenyama.

28Ngoko, ndakuba ndikufinyezile oko, ndasinqabisela kubo eso siqhamo, ndobuya ngani ukuya kwelaseSpani.

29Ndiyazi ke ukuba ndothi, ndakuza kuni, ndize ndinentsikelelo ezalisekileyo yeendaba ezilungileyo zikaKristu.

30Ke kaloku ndiyanivuselela, bazalwana, ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu, nangalo uthando loMoya, ukuba nizame kunye nam ekundithandazeleni kuye uThixo,

31ukuze ndihlangulwe kwabaziingqola kwelakwaYuda, nokuze ulungiselelo lwam olusinga eYerusalem lube nokwamkeleka kakuhle kubo abangcwele, ukuze ndize kuni ndinovuyo,

32ngokuthanda kukaThixo, siphumzane.

33UThixo ke woxolo makabe nani nonke. Amen.

KwabaseRoma 16

Imibuliso etyumbayo kaPawulos

1Ke kaloku ndimyaleza kuni uFibhi, udade wethu, ongumlungiseleli webandla eliseKenkreya;

2ukuze nimamkele ngokwaseNkosini, ngokufanele abangcwele, nimncede emcimbini asukuba enifunela wona; kuba naye ubengumongi wabaninzi, nowam lo.

3Bulisani kuPrisila noAkwila, abasebenzisi bam abakuKristu Yesu;

4bona bathi, ngenxa yobomi bam, bazibeka emgoqweni ezabo iintamo, ekungabuleli mna ndedwa kubo, ekubulela nawo onke amabandla azo iintlanga.

5Bulisani nakwibandla elisendlwini yabo. Bulisani kuPeneto intánda yam, oyintlahlela yelaseAkaya kuKristu.

6Bulisani kuMariya, yena wabulalekayo kakhulu ngenxa yenu.

7Bulisani kuAndroniko noYuniya, imizalwane yam nabathinjwa ndawonye nam, bona badumileyo phakathi kwabapostile, kanjalo baba kuKristu ngaphambi kwam.

8Bulisani kuAmpliya, intánda yam ngokwaseNkosini.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Bulisani ku-Urbhano, umncedisi wethu kuKristu, noStaki intánda yam.

10Bulisani kuApele ocikidekileyo kuKristu. Bulisani kwabakwa-Aristobhulo.

11Bulisani kuHerodiyo, umzalwane wam. Bulisani kwabakwaNarkiso abaseNkosini.

12Bulisani kuTrifena noTrifosa, abo babulalekàyo emsebenzini weNkosi. Bulisani kuPersi, intánda, yena wabulalekayo kakhulu emsebenzini weNkosi.

13Bulisani kuRufo onyuliweyo waseNkosini, nonina, uma.

14Bulisani kuAsinkrito, kuFilego, kuHerme, kuPatrobha, kuHerma, nabazalwana abanabo.

15Bulisani kuFilologo, noYuliya, kuNere, nodade wabo, no-Olimpa, nabo bonke abo bangcwele banabo.

16Bulisanani ngolwango olungcwele. Ayanibulisa amabandla kaKristu.

17Ke kaloku ndiyaniyala, bazalwana, balumkeleni abo benza iimbambaniso nezikhubekiso, ezinxamnye nemfundiso enayifundayo nina, niphambuke kubo.

18Kuba ábanjalo àbakhonzi yona iNkosi yethu uKristu, bakhonza esabo isisu; baze, ngamazwi anencasa nalalanisayo, balukuhle iintliziyo zabangazani nabubi.

19Kuba ukululama kwenu kuye kwafika kubo bonke. Ndiyavuya ngoko ngani; ndinga ke ningaba ngabalumkileyo okunene kokulungileyo; kodwa nibe ngabangenabuqhinga kokubi.

20UThixo ke woxolo uya kumtyumza uSathana kamsinya phantsi kweenyawo zenu. Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nani.

21Bayanibulisa ooTimoti, osebenza nam, noLukiyo, noYason, noSosipatro, imizalwane yam.

22Ndiyanibulisa ngokwaseNkosini, mna Tertiyo, uyibhalileyo le ncwadi.

23Uyanibulisa uGayo, esilundwendwe lwakhe, mna nebandla liphela. Uyanibulisa uErasto, igosa lomzi, noKwarto umzalwana.

24Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nani nonke. Amen.

Ilizwi lokudumisa uThixo

25Ke kaloku, kuye onako ukunizimasa ngokweendaba zam ezilungileyo, novakaliso lukaYesu Kristu, ngokokutyhilwa kwemfihlelo ebifihliwe kwasephakadeni,

26ebonakalalisiweyo ke ngoku, eyaziswayo kanjalo ngezibhalo zabaprofeti ngokommiselo kaThixo ongunaphakade, ukuba kubekho ukulululamela ukholo, kuzo zonke iintlanga:

27kuThixo olumke yedwa, ngaye uYesu Kristu, malubekho uzuko kude kube ngunaphakade. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseKorinte I

KwabaseKorinte I 1

Umbuliso nombulelo

1UPawulos, umpostile kaYesu Kristu, obizwe ngokuthanda kukaThixo, noSostenes umzalwana,

2ubhalela ibandla likaThixo eliseKorinte, abangcwaliselwe kuKristu Yesu, ababizwe ukuba babe ngcwele, kunye nabo bonke abalinqulayo igama leNkosi yethu uYesu Kristu ezindaweni zonke, ezabo kwanezethu:

3uthi, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi yethu uYesu Kristu.

4Ndihlala ndibulela kuye uThixo wam ngani, ngenxa yobabalo lukaThixo, awanibabala ngalo nikuKristu Yesu;

5kuba natyetyiswa kuye ngezinto zonke, ngokuthetha konke, nangokwazi konke;

6njengokuba ubungqina bukaKristu baqiniswayo kuni;

7ngokokude ningasileli nakwesìnye isipho enisibabalweyo; nílindé kakhulu ukutyhileka kweNkosi yethu uYesu Kristu;

8oya kuniqinisa nokuniqinisa ase ekupheleni, ukuze ningabi nakumangaleleka ngemini yeNkosi yethu uYesu Kristu.

9Uthembekile uThixo, enabizelwa nguye ebudlelaneni boNyana wakhe, uYesu Kristu iNkosi yethu.

UMoya wokwahlukahlukana ebandleni

10Ke kaloku, ndiyaniyala, bazalwana, ngalo igama leNkosi yethu, uYesu Kristu, ukuba nithethe nto-nye nonke, nokuba kungabikho zahlukahlukano kuni; ke níbe ngabalungisiweyo, nígqibelele ngqiqweni-nye, nasicamangweni sinye.

11Kuba ndazisiwe ngani, bazalwana bam, ngabakuloKlowe, ukuba kukho iimpikiswano phakathi kwenu.

12Ukutsho ke ndithi kuthiwa, ulowo kuni uthi, Mna ndingokaPawulos; omnye ke athi, Mna ndingoka-Apolo; omnye ke athi, Mna ndingokaKefas; omnye ke athi, Mna ndingokaKristu.

13Wahlukahlukene na uKristu? Kwabethelelwa uPawulos yini na emnqamlezweni ngenxa yenu? Nabhaptizelwa egameni likaPawulos, kusini na?

14Ndiyabulela kuThixo, ukuba ndingabhaptizanga namnye kuni, ingenguKrispo noGayo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15ukuze kungabikho mntu uthi, ndabhaptizela egameni lam.

16Ndabhaptiza ke nendlu kaStefana; ngaphandle kwabo, andazi ukuba ndabhaptiza wumbi.

17Kuba uKristu akandithumanga kubhaptiza; wandithuma ukushumayela iindaba ezilungileyo, kungabi ngabulumko bakuthetha, ukuze umnqamlezo kaKristu ungalanjathiswa.

Amandla omnqamlezo

18Kuba ilizwi lomnqamlezo libubudenge okunene kwabatshabalalayo; kodwa ke kwabasindiswayo, thina aba, lingamandla kaThixo.

19Kuba kubhaliwe kwathiwa, Ndiya kubutshabalalisa ubulumko bezilumko, Ingqondo yeengqondi ndiyitshitshise. (UIsaya 29:14)

20Síphi na ke isilumko? Uphi na ke umbhali? Uphi na ke umphiki weli phakade? UThixo akabenzanga baba bubudenge na ubulumko beli hlabathi?

21Ekubeni ke kuthe, ebulumkweni bukaThixo, ihlabathi alamazi uThixo ngobulumko balo, kwakholeka kuThixo ukusindisa abo bakholwayo, ngabo ubudenge bokuvakalisa iindaba ezilungileyo.

22Ekubeni ke amaYuda ecela umqondiso, amaGrike efuna ubulumko, thina okwethu sivakalisa uKristu,

23ebethelelwe emnqamlezweni; isikhubekiso ke eso kumaYuda, ubudenge kumaGrike;

24ke kwabo babiziweyo, amaYuda kwanamaGrike, sivakalisa uKristu ongamandla kaThixo, nobulumko bukaThixo.

25Ngokuba into kaThixo ebubudenge ilumkile kunabantu, nento kaThixo engenamandla yomelele kunabantu.

26Kuba luboneni ubizo lwenu, bazalwana, ukuba azizininzi izilumko ngokwenyama, àbabaninzi abanamandla, akamaninzi amanene.

27UThixo usuke wanyula izinto ezibubudenge zehlabathi, ukuze azidanise izilumko; nezinto ezingenamandla zehlabathi usuke uThixo wazinyula, ukuze azidanise izinto ezomeleleyo;

28nezinto zehlabathi ezingenabuntu, nezingento yanto, wazinyula uThixo, nezingáthi azikho, ukuze aziphuthise izinto ezikhoyo;

29ukuze kungaqhayisi namnye umntu emehlweni akhe.

30Ke niphuma kuye, nina bakuKristu Yesu, owathi ngenxa yethu waba bubulumko obuvela kuThixo, nobulungisa kwanobungcwalisa nentlawulelo;

31ukuze, njengoko kubhaliweyo, Oqhayisayo aqhayise ngeNkosi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseKorinte I 2

Intanda-bulumko nesityhilelo

1Mna ke, ndakuba ndizile kuni, bazalwana, andizanga ngabugcisa bakuthetha
nabulumko, ndínazisa ubungqina bukaThixo.

2Kuba ndagqiba kwelokuba ndingàzi nto phakathi kwenu, ingenguYesu Kristu, nàye
ke ebethelelwe emnqamlezweni.

3Mna kuni ndafika ndaba ngothambileyo, onokoyika, onokugubha okukhulu.

4Nokuthetha kwam, nokuvakalisa kwam uKristu kube kungengamazwi oyisa
ngabulumko babantu; bekungokuqondakalisa koMoya nokwamandla,

5ukuze ukholo lwenu lungabi sebulumkweni babantu, lube semandleni kaThixo.

6Ke sithetha ubulumko phakathi kwabagqibeleleyo, ubulumko ke obungebubo obeli
phakade, nobabaphathi beli phakade ababhangayo.

7Sithetha ubulumko bukaThixo obusemfihlekweni, obo ke bufihlakeleyo, awathi
uThixo ngenxa engaphambili, kwangaphambi kwawo amaphakade, wabumisela
uzuko lwethu;

8ekungabangakho namnye wabaphathi beli phakade ubaziyo (kuba, ukuba babebazi,
ngebangayibethelelanga emnqamlezweni iNkosi yozuko),

9njengoko ke kubhaliweyo, kwathiwa, Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga
ndlebe, Nezingathanga qatha entliziyweni yomntu, Zizo uThixo awazilungisela abo
bamthandayo. (UIsaya 64:4)

10UThixo wazityhila kuthi ke ngoMoya wakhe; kuba uMoya uphengulula zonke izinto,
neenzulu zikaThixo.

11Kuba nguwuphi na kubantu ozaziyo izinto zomntu, ingenguwo umoya womntu
okuye? Ngokunjalo nezinto zikaThixo akukho namnye uzaziyo, ingenguye uMoya
kaThixo.

12Ke thina asamkelanga moya wehlabathi; samkéle uMoya ophuma kuye uThixo,
ukuze sizazi izinto esazibabalwa nguThixo;

13esizithethayo nokuzithetha, kungengamazwi anokufundiswa bubulumko babantu,
kungawo anokufundiswa nguMoya oyiNgcwele: izinto ezizezomoya sizilungelelanisa
namazwi la angawomoya.

14Owemvelo ke umntu akazamkeli izinto zoMoya kaThixo; kuba zibububdenge kuye;
kanjalo akanakuzazi, ngokuba ziphicothwa ngokoMoya.

15Ke ongowoMoya okunene uphicotha zonke izinto, kodwa yena ngokwakhe
akaphicothwa mntu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Kuba ngubani na oyaziyo ingqiqo yeNkosi, oya kuthi ayifundise? Thina ke sinengqiqo kaKristu.

KwabaseKorinte I 3

Ukwahlukahlukana kuyathethiswa

1Nam ke, bazalwana, bendingenakuthetha kuni njengakwaboMoya; bendinokuthetha njengakwabenyama, njengakwabaziintsana kuKristu.

2Ndaniseza amasi, andaninika kudla kuqinileyo; kuba nibe ningekabi nakomelela, unangoku anikabi nako.

3Kuba nisengabenyama; oku nje kukhoyo phakathi kwenu umona, neenkani, neembambaniso, aningabenyama na? Anihambi ngokwabantu na?

4Kuba xa uthile athi, Mna ndingokaPawulos, athi wumbi, Mna ndingoka-Apolo, aningabenyama na ke?

5Úngubani na yena uPawulos? engubani na yena uApolo? Ingabalungiseleli nje kuphela, enakholwa ngabo, njengokuba iNkosi yamnikayo ulowo nalowo.

6Mna ndatyala, uApolo wankcenkcesha, ke nguThixo owahlumisayo.

7Ngoko ke lowo utyalayo akalutho, nalowo unkcenkceshayo akalutho; oyinto nguThixo lo uhlumisayo.

8Lowo utyalayo ke, nalowo unkcenkceshayo, banto-nye; kodwa elowo uya kwamkela owakhe umvuzo ngokukokwakhe ukubulaleka.

9Kuba thina singabasebenzisi bakaThixo; nina niyintsimi kaThixo, nisisakhiwo sikaThixo.

Okulindelekileyo kwabafundisayo

10Ngokobabalo lukaThixo endababalwa ngalo, ndithi, ngokomakhi osisilumko, ndibeke ilitye lesiseko, athi ke omnye akhe phezu kwalo; ke elowo makakhangele ukuba uthini na ukwakha kwakhe phezu kwalo.

11Kuba akukho namnye unako ukubeka litye limbi lesiseko, nxamnye nelo libekwe kade, linguYesu onguKristu.

12Ukuba ke umntu ukhe wakha phezu kweli litye lesiseko igolide, isilivere, amatye anqabileyo, imithi, ingca, iindiza,

13umsebenzi walowo nalowo wobonakalaliswa; kuba loo mini iya kuwazísa, ngokuba iya kuvela inomlilo; nomsebenzi walowo nalowo, umlilo uya kuwucikida ubunjani bawo.

14Ukuba umsebenzi awawakhayo umntu phezu kwalo, uthe wahlala uhleli, wowamkela umvuzo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ukuba umsebenzi womntu uthe watshiswa, wolahlekelwa ngumvuzo wakhe; ke yena okwakhe wosindiswa, kodwa ke ange ucande emlilweni.

16Anazi na ukuba niyitempile kaThixo? Anazi na ukuba uMoya kaThixo umi ngaphakathi kwenu?

17Ukuba umntu uyayonakalisa itempile kaThixo, uThixo womonakalisa lowo; kuba itempile kaThixo ingcwele; ninjalo ke.

18Makungabikho namnye uzikhohlisayo. Ukuba umntu uba usisilumko phakathi kwenu kweli phakade, makabe sisidenge, ukuze abe sisilumko.

19Kuba ubulumko beli hlabathi bubudenge kuye uThixo; kuba kubhaliwe kwathiwa, Yena uyazibambisa izilumko kubuqhetseba bazo;

20kwathiwakananjalo, INkosi iyazazi izicamango zezilumko, ukuba azinto.

21Ngoko ke makungabikho namnye uqhayisa ngabantu: kuba izinto zonke zezenu;

22nokuba nguPawulos, nokuba nguApolo, nokuba nguKefas, nokuba lihlabathi, nokuba bubomi, nokuba kukufa, nokuba zizinto ezingeneyo, nokuba zezizayo: zonke zezenu.

23Nina ke ningabakaKristu, uKristu ke ngokaThixo.

KwabaseKorinte I 4

Ukuziphendulela kwabapostile kuThixo

1Makenjenjalo ke umntu ukucinga ngathi, athi singabakhonzi bakaKristu, athi singamagosa eemfihlelo zikaThixo.

2Ke kaloku ke, kufuneka kuwo amagosa, ukuba ulowo kuwo afumaneke ethembekile.

3Kum ke yeyona nto incinanana, ukuba ndincinwe nini, nayimini yamatyala yabantu; ke andizincini nam ngokwam,

4kuba andizazeleli nto; noko andigwetyelwe koko; ondincinayo ke yiNkosi.

5Ngoko ke, musani ukugweba nto phambi kwelona xesha, ide ifike iNkosi, eya kuthi izikhanyise nokuzikhanyisa izinto ezifihlakeleyo zobumnyama, iwabonakalalise amacebo entliziyo; andule ke ulowo nalowo abe nodumo oluvela kuThixo.

6Ezi zinto ke, bazalwana, ndizilinganisele ngam noApolo, ngenxa yenu; ukuze nifunde kuthi aba, ukuba ningazicingeli ngaphezu koko kubhaliweyo, ukuze kungabikho namnye uzikhukhumalisa ngakomnye ngenxa yomnye.

7Kuba ngubani na okubalulayo kwabanye? Yintoni na ke onayo ongayamkeliswanga? Phofu ke, ukuba wamkelisiwe, uqhayiselani na, ngathi akwamkeliswanga?

8Senihluthi, senizizityebi, nalawula ningenathi; akwaba ke kambe beningabalawuli, ukuze nathi silawule kunye nani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Kuba ngathi mna, uThixo thina bapostile usivelise mva, sanga singabamiselwe ukufa; kuba sanekwé senziwa intlekisa kulo ihlabathi, nakwizithunywa zezulu, nakubantu.

10Thina siziziyatha ngenxa kaKristu, ke nina niziingqondi kuKristu; thina siswele amandla, ke nina nomelele; nina nizukile, ke thina siswele imbeko.

11Kude kwaleli lixa langoku silamba, sinxanwa, sihamba zé, sintlithwa, singenasikhundla, sibulaleka,

12sisebenza ngezethu izandla; sithi, sitshabhiswa, sibe sisikelela; sithi sitshutshiwa, sibe sinyamezela;

13sithi sinyeliswa, sibe siyala; sixeliswa inkunkuma yehlabathi, inkuthu yezinto zonke, kude kube ngoku.

Ukululekwa nokucetyiswa ngokomzali

14Ezo nto andizibhaleli ukuba nidane; ndiyaniluleka njengabantwana bam abathandekayo.

15Kuba ningafanelana ninabakhaphi bemawaka alishumi kuKristu, àbabaninzi bona ooyihlo; kuba kuKristu Yesu nizelwe ndim lo, ngazo iindaba ezilungileyo.

16Ndiyaniyala ngoko, yibani ngabaxelisa mna.

17Ngenxa yoko ndinithumele uTimoti, ongumntwana wam oyintánda, othembekileyo, waseNkosini, oya kunikhumbuza iindlela zam ezikuKristu, njengoko ndifundisayo ezindaweni zonke, kuwo onke amabandla.

18Ke kaloku inxenye ithe yakhukhumala, ngathi andiyi kuza kuni.

19Ndiya kuza ke kuni kamsinya, ukuba iNkosi ithe yavuma, ukuze ndinganeli kukwazi ukuthetha kwabakhukhumeleyo, ndazi amandla abo.

20Kuba ubukumkani bukaThixo abusekuthetheni, busemandleni.

21Nithanda kuphi na, kuko ukuza kuni ndinoswazi, kuko ukuza ndinothando, nomoya wobulali?

KwabaseKorinte I 5

Ityala elikhulu lombulo

1Kwandile ukuvakala ukuba kukho umbulo phakathi kwenu; ngumbulo ke lowo ongazanga ukhankanywe naphakathi kweentlanga, owokuba uthile abe nomfazi kayise.

2Níbe ke nikhukhumele; ningabi kanye nikhedamile, ukuze anyothulwe phakathi kwenu lowo wenze loo ntlondi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kuba mna, ndingekho nje okunene ngesiqu, ndikho ngomoya; sendide ndamgweba
oyenzileyo loo nto, njengokungathi ndikho;

4ngathi, egameni leNkosi yethu uYesu Kristu (nakùbon' ukuba nihlanganisene
nomoya wam, kunye nawo amandla eNkosi yethu uYesu Kristu),

5makanikelwe onjalo kuSathana, ukuba inyama itshatyalaliswe, ukuze wona umoya
usindiswe ngomhla weNkosi uYesu.

6Iqhayiya lenu alilihle! Anazi na ukuba igwele elincinane libilisa intlama iphela?

7Likhupheni ngoko kuthi tu igwele elidala, ukuze nibe yintlama entsha, ekubeni
ningabangenagwele. Kuba nathi siyibingelelwe neyethu ipasika, enguKristu.

8Ngoko ke ukwenza umthendeleko, masingawenzi sinegwele elidala, negwele lobubi,
nelokungendawo; masiwenze sinezonka ezingenagwele, ezingenasibhidi,
ezinenyaniso.

9Ndanibhalela encwadini apho ukuthi, maningazidibanisi nabenza umbulo;

10kodwa ningàsenizahlula kanye kwabeli hlabathi abenza umbulo, nakumabawa,
nabaphangi, nabakhonzi bezithixo; okanye beniya kumelwa kukuphuma ehlabathini.

11Kungoku ke, ndinibhalela ukuba maningazidibanisi nosukuba enegama lokuba
ngumzalwana, ukanti wenza umbulo, nokuba ulibawa, nokuba ungumkhonzi
wezithixo, nokuba ungumtshabhisi, nokuba ulinxila, nokuba ungumphangi; ningakhe
nidle nokudla nonjalo.

12Ndinamsebenzi mni na ukuba ndigwebe nabangaphandle? Anigwebi
abangaphakathi bodwa, yini na, nina?

13Ke abangaphandle bagwetywa nguThixo. Ize nimnyothule kuni nina lowo
ungendawo.

KwabaseKorinte I 6

Ukumangalelana kwamaKristu

1Kukho na umntu kuni, enendawo ngakomnye, onobuganga bokummangalela
phambi kwabangemalungisa, angammangaleli phambi kwabangcwele?

2Anazi na, ukuba abangcwele aba baya kuligweba ihlabathi? Ukuba ke ihlabathi
ligwetywa phambi kwenu, anikufanele na ukuwathetha awona mancinanana
amatyala?

3Anazi na, ukuba siya kugweba izithunywa zezulu? Kobeka phi na ke kwizinto zobu
bomi?

4Xa sukuba ke ngoko nisiya ematyaleni ngezinto zobu bomi, nimisa abo bangento
kulo ibandla, ukuba kugwebe bona na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Nditsho ukuze nidane. Kude akwabakho noko sisinye na isilumko phakathi kwenu,
esingaba nako ukulamla phakathi kwabo abazalwana?

6Usuka umzalwana amangalelane nomzalwana, athi noko akwènze phambi
kwabangakholiweyo.

7Seninciphile ke kanye ngokokuthi nimangalelane. Yini na ukuba ningàthi kanye
nivume ukoniwa? Yini na ukuba ningàthi kanye nivume ukulunyukiswa?

8Nisuka nina none abanye, nilumkise, nako oko nibe nikwenza kubazalwana.

9Anazi na, ukuba abangemalungisa abayi kubudla ilifa ubukumkani bukaThixo?
Musani ukulahlekiswa; abenza umbulo, nabakhonzi bezithixo, nabakrexezi, nezifebe,
namadoda alalanayo, namasela, namabawa,

10namanxila, nabatshabhisi, nabaphangi, abayi kubudla ilifa ubukumkani bukaThixo.

11Nayé ninjalo ke inxenye yenu; kuloko nahlanjululwayo, kuloko nangcwaliswayo,
kuloko nagwetyelwayo egameni leNkosi uYesu, nangoMoya kaThixo wethu.

Ukungcola kuchasene nentlalo yobuKristu

12Zonke izinto zivumelekile kum, noko azindilungele zonke. Zonke izinto zivumelekile
kum, noko asindim oya kubekwa phantsi kwagunya lelayiphi;

13izidlo zezesisu, nesisu sesezidlo; kodwa uThixo uya kubhangisa kokubini, sona nazo.
Ke wona umzimba asingowombulo, ngoweNkosi; nayo iNkosi yeyomzimba.

14UThixo ke wayivusa iNkosi leyo; uya kusivusa nathi ngamandla akhe.

15Anazi na ukuba imizimba yenu ngamalungu kaKristu? Ndiya kuthi na ke,
ndiwathabathe amalungu kaKristu lowo, ndiwenze amalungu ehenyukazi?

16Nakanye! Anazi na, ukuba onamathele kulo ihenyukazi, úmzimba mnye nalo? Kuba
kuthiwa, Abo babini boba nyama-nye.

17Ke onamathele eNkosini, úmoya mnye nayo.

18Wubalekeni umbulo. Zonke izono athe umntu wazenza, zingaphandle komzimba;
ke lowo wenza umbulo, wona owakhe umzimba.

19Anazi na, ukuba umzimba wenu uyitempile yoMoya oyiNgcwele ongaphakathi
kwenu, eninaye evela kuThixo; nokuba ke aningabenu?

20Kuba nathengwa ngexabiso. Mzukiseni ke uThixo ngomzimba wenu nangomoya
wenu, izinto ezizezikaThixo ezo.

KwabaseKorinte I 7

Iingxaki zomtshato, nezobusoka, nezoqhawulo-mtshato

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku, ngokubhekisele kwiindawo enandibhalela ngazo, ndithi, Kumlungele umntu ukuba angamchukumisi umntu oyinkazana.

2Kodwa ke, ngenxa yoomibulo, elowo makabe nowakhe umfazi, athi elowo abe neyakhe indoda.

3Indoda mayimenzele okumfaneleyo umfazi wayo; enjenjalo ke nomfazi endodeni yakhe.

4Umfazi akanagunya kowakhe umzimba, yindoda enalo; kwangokunjalo ke, nendoda ayinagunya kowayo umzimba, ngumfazi onalo.

5Musani ukwala ukuhlangana, ningathanga nibe nivumelene okomzuzwana, ukuze ke nibe nethuba lokuzila ukudla nelokuthandaza; nibuye nihlangane ndawonye, ukuze anganihendi uSathana ngenxa yentswela-kuzeyisa kwenu.

6Ndisitsho nje, ndiyabonisa; anidithumi mntu.

7Kuba ndinga bonke abantu bangaba njengam nje; kodwa ke elowo unesakhe isipho, asibabalwe nguThixo; omnye uba naso ngokunje, omnye abe naso ngokunjeya.

8Ndithi ke kwabangazekanga nabangendanga, nakubahlolokazi, kubalungele ukuba bathe bahlala njengam nje.

9Kodwa ke, ukuba abanakuzeyisa, mabazeke, mabende, kuba kukhona kulungileyo ukuba kuzekwe, kwendiwe, kunokutshiseka.

10Ke kaloku abazekileyo nabendileyo ndiyabathethela, phofu ingendim, iyiNkosi; ndithi, Umfazi makangahlukani nendoda

11(ke ukuba uthe wahlukana nayo, makahlale angendi, okanye makaxolelaniswe nendoda yakhe); indoda mayingamali umfazi wayo.

12Ke kaloku kwabanye ndithi mna, àkutsho iNkosi, Ukuba kukho mzalwana uthile unomfazi ongakholiweyo, aze umfazi lowo athande ukuhlala naye, makangamali.

13Nomfazi onendoda engakholiweyo, ize yona ithande ukuhlala naye, makangayali.

14Kuba indoda leyo ingakholiweyo ingcwalisiwe nguye umfazi, nomfazi lowo ungakholiweyo ungcwalisiwe yiyo indoda; okanye abantwana benu ngebeba baziinqambi; kungoku ke bangcwele.

15Kodwa ke ukuba lowo ungakholiweyo uyahluka, makahluke; umzalwana nokuba ngudade akabotshelelwe, xa kunjalo; ke uThixo usibizele eluxolweni.

16Kuba, wazi ngani na, mfazi, ukuba woyisindisa indoda yakho? Wazi ngani na, ndoda, ukuba womsindisa umfazi wakho?

17Ke, njengoko uThixo wamabelayo ulowo, njengoko iNkosi imbizileyo ulowo, makahambe ngokunjalo. Ndimisa ngokunjalo ke kuwo onke amabandla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Kukho mntu wabizwa engowalukileyo na? Makangazenzi ongalukileyo. Kukho mntu wabizwa engalukanga na?

19Makangaluki. Ukwaluka oku akunto, nokungaluki oku akunto; okuyinto kukubamba imithetho kaThixo.

20Elowo makahlale elubizweni abizwe ekulo.

21Wábizwa ulikhoboka na? Ungakhathali koko; nokuba ke unokukhululeka, nyula kanye oko.

22Ukuba lowo wabizwayo waba seNkosini elikhoboka, ungumkhululwa weNkosi; ngokunjalo nalowo wabizwayo engokhululekileyo, ulikhoboka likaKristu.

23Nathengwa ngexabiso; musani ukuba ngamakhoboka abantu.

24Bazalwana, elowo ekubizweni awabizwa ekuko, makahlale kuko ekuThixo.

25Ke kaloku, ngazo iintombi andinammiselo weNkosi; ndibona oku mna, njengowenzelwe inceba yiNkosi ukuba athembeke.

26Ndiba ngoko, kulungile oku ngenxa yengxakeko engeneyo, kulungile emntwini ukuthi aselehlala njengoko anjalo.

27Ùbotshelelwe na emfazini? Musa ukufuna ukukhululwa kuye. Ukhululekile na emfazini? Musa ukufuna umfazi.

28Kodwa ke ukuba uthe wazeka, akonanga; nokuba intombi ithe yenda, ayonanga. Ke abanjalo boba nembandezelo enyameni. Ke mna, ngokwenjenje, ndiconga nina.

29Nditsho ke, bazalwana, ukuthi, ixesha lifinyele, ukuze kwelisaseleyo bathi nabo banabafazi, babe njengabangenabo;

30bathi abalilayo, babe njengabangaliliyo; bathi abavuyayo, babe njengabangavuyiyo; bathi abathengayo, babe njengabangenanto;

31bathi abasebenzayo ngeli hlabathi, babe njengabangalixhamliyo; kuba ukumila kweli hlabathi kuyadlula.

32Ndithanda ukuba ningabi naxhala. Ongazekileyo uxhalela izinto zeNkosi, ukuba angáthini na ukuyikholisa iNkosi.

33Ozekileyo ke uxhalela izinto zehlabathi, ukuba angáthini na ukumkholisa umkakhe.

34Umfazi nentombi akufani. Ongendileyo uxhalela izinto zeNkosi, ukuze abe ngcwele ngomzimba nangomoya; owendileyo ke uxhalela izinto zehlabathi, ukuba angáthini na ukuyikholisa indoda yakhe.

35Oku ke ndikuthetha ndisingisele kokunilungeleyo, ndingenzeli kunirhintyela; ndikuthethela ukuba nizibeke, nihlale nihleli kakuhle eNkosini, ningakruthakrutheki.

© 1975 Bible Society of South Africa.

36Kodwa ke ukuba umntu uba uhlaza intombi yakhe, xa ithe yegqitha entlahleni yayo, emelwe kukwenjenjalo, makenze akuthandayo; akoni; makuzekwe.

37Noko ke omiyo eqinile entliziyweni, engaxakwe nto, enegunya ke lokwenza ngokuthanda kwakhe, kananjalo egqibile entliziyweni yakhe kwelokuba ayigcine intombi yakhe, uyatyapha ukwenjenjalo.

38Ngoko ke lowo wendisayo uyatyapha, kodwa ke lowo ungendisiyo nguyena ukholisayo.

39Umfazi ubotshiwe ngumthetho ngalo lonke ixesha isaphilileyo indoda yakhe; ke ukuba indoda yakhe ithe yafa, ukhululekile, angéndiselwa kwayithandayo, kodwa ke ngokwaseNkosini.

40Noko ke únoyolo ngakumbi, ukuba uthe wahlala enjengoko anjalo, ngokwam mna ukubona; ndiba ke ndinaye nam uMoya kaThixo.

KwabaseKorinte I 8

Ingxaki yamadini ezithixo

1Ke kaloku, ngeendawo zamadini enziwa kwizithixo, ndithi, Siyazi ukuba sinokwazi sonke. Ukwazi oku kuyakhukhumalisa, ke lona uthando luyakha.

2Ukuba ke umntu uba wazi nto, akakazi nento ngoko amelwe kukwazi ngako.

3Ukuba ke umntu uyamthanda uThixo, lowo uyaziwa nguye.

4Ngako ke ukudliwa kwamadini enziwa kwizithixo, siyazi ukuba akukho nto isisithixo ehlabathini; siyazi ukuba mnye kwaphela uThixo, akukho wumbi.

5Kuba kambe, nokuba kukho ekuthiwa bangoothixo, nokuba kusezulwini, nokuba kuphezu komhlaba (kwanjengokuba kukho oothixo abaninzi, neenkosi ezininzi), kuthi thina mnye uThixo,

6uYise, eziphuma kuye izinto zonke; nathi sikholo yena. Inye iNkosi, uYesu Kristu, ezingayo zonke izinto; nathi singaye.

Ukunyamekela isazela somzalwana obuthathaka

7Ke ukwazi oko akubantwini bonke. Inxenye ke ithi, isenesazela ngesithixo unangoku, idle ngokudliwa kwedini elenziwe kwisithixo, size isazela sabo, siswele amandla nje, sidyobheke.

8Ukudla akusithandisi kuye uThixo; kuba nokuba sithe sadla, asigqithe nganto; nokuba asithanga sidle, asisilele nganto.

9Lumkani ke, hleze elo gunya lenu libe sisiwiso kwabaswele amandla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuba xa athe ubani wakubona, wena ungonokwazi, uhleli esithebeni etempileni yezithixo, asisayi kuthi na isazela sakhe, eswele amandla nje, somelezelwe ukudla amadini enzelwe izithixo?

11Aze ngokwazi kwakho oko atshabalale umzalwana oswele amandla, awathi uKristu wamfela.

12Nisenjenjalonje ke ukona kubo abazalwana, nísidubule nje isazela sabo esiswele amandla, nona kuKristu.

13Ngenxa yoko ndithi, Ukuba ukudla kuyamkhubekisa umzalwana wam, andisayi kudla nyama naphakade, ukuze ndingamkhubekisi umzalwana wam.

KwabaseKorinte I 9

Umzekelo wompostile wokuncama okulilungelo lakhe

1Andingumpostile na? Andingokhululekileyo na? Andimbonanga na uYesu Kristu, iNkosi yethu? Aninguwo na nina umsebenzi wam eNkosini?

2Ukuba andimpostile kwabanye, kuni nina ndinguye; kuba itywina lokuqinisa obam ubupostile linini aba baseNkosini.

3Okwam ukuziphendulela kwabandincinayo kuko oku.

4Asinagunya na lokudla nokusela?

5Asinagunya na, njengabanye abapostile, nabazalwana beNkosi, noKefas, ukuba siphelekwe ngabafazi bethu bengamakholwa?

6Síthi sedwa noBharnabhas lo na, abangenagunya lokuba bangàsebenzi?

7Ngubani na okha aphume umkhosi ngeyakhe indleko? Ngubani na otyala isidiliya, aze angadli siqhamo saso? Khona ngubani na owalúsa umhlambi, aze angawadli amasi omhlambi lowo?

8Ndizithetha ngokomntu yini na ezo zinto? Awuthethi kwaezo zinto nawo na umthetho?

9Emthethweni kaMoses kubhaliwe kwathiwa, Uze ungayibophi umlomo inkomo ibhula. Ziinkomo yini na into ayikhathaleleyo uThixo?

10Kanene akatsho ngenxa yethu na? Kakade kwabhalwa ngenxa yethu; ngokuba lowo ulimayo ufanele ukulima ethembile; lowo ubhulayo ufanele ukubhula enethemba lokuyaba loo nto athembe yona.

11Ukuba ke thina sanihlwayelela izinto ezizezoMoya, yinto enkulu na, ukuba siya kuvuna izinto zenu ezizezenyama?

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Ukuba abanye babelana ngokwenza ngeli gunya kuni, asikukhona singénjenjalo na thina ngakumbi? Asilisebenzisanga ke elo gunya; sisuka sithwale izinto zonke, ukuze singazibambezeli nganí iindaba ezilungileyo zikaKristu.

13Anazi na ukuba abo bazisebenzayo izinto ezingcwele badla okwetempile, abo bahlala behleli esibingelelweni bahlulelana nesibingelelo eso?

14Ngokunjalo neNkosi le yabamisela abazazisayo iindaba ezilungileyo, ukuba baphile ngeendaba ezilungileyo ezi.

15Ke mna andiphathanga nanye kwezo zinto. Ezi ndawo andizibhaleli ukuze kwenjiwe njalo kum; kuba bekungandilungelayo kanye ukuba ndife, kunokuba ubani alilambathise iqhayiya lam.

16Kuba xa ndithi ndizishumayele iindaba ezilungileyo, andinaqhayiya; kuba ndimelwe kukuzishumayela. Yeha ke mna, ukuba ndisuka ndingazishumayeli iindaba ezilungileyo!

17Kuba xa ndikwenzayo oko ndínokuzithandela, ndoba ndinomvuzo; ke xa ndikwenza ndingenakuzithandela, ndoba ndingophathiswe ubugosa nje.

18Uyintoni na ke ngoko umvuzo wam? Ukúkuthi, ndakuzishumayela iindaba ezilungileyo, ndizenze zingabi nandleko iindaba ezilungileyo zikaKristu, ukuba ndingalisebenzisi igunya lam ezindabeni ezilungileyo ezi.

Inzondelelo kaPawulos yokufumanela uKristu abantu

19Kuba ndikhululekile nje kubo bonke, ndizikhonzisile kubo bonke, ukuze ndibazuze abona baninzi.

20KumaYuda ndaba njengomYuda, ukuze ndiwazuze amaYuda; kwabo baphantsi komthetho ndaba njengophantsi komthetho, ukuze ndibazuze abaphantsi komthetho;

21kwabo bangenamthetho, ndaba njengongenamthetho (ndingenguye phofu ongenamthetho kuThixo, ndingosemthethweni kuKristu), ukuze ndibazuze abangenamthetho;

22kwabo bangenamandla, ndaba njengongenamandla, ukuze ndibazuze abangenamandla; kubo bonke ndesuka ndaba ziinto zonke, ukuze ngeendlela zonke ndisindise inxenye.

23Oko ke ndakwenza ngenxa yeendaba ezilungileyo, ukuze ndibe lidlelane nabo ngazo.

Umzamo ofunekayo ukuze kubekho impumelelo

24Anazi na, ukuba abo babalekayo elugqatsweni, babaleka bonke okunene, kodwa ke mnye owamkelayo umvuzo? Balekani ngokunjalo ke, ukuze nizuze.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Bonke ke abantu abazamayo, baba ziingcathu ezintweni zonke. Bona abo ke okunene benzela ukuze bazuze isithsaba esinokonakala; kodwa thina, esingenakonakala.

26Mna ke ngoko ndenjenjalo ukubaleka, ndingangi andiqondi; ndenjenjalo ukugalela ngenqindi, ndingangi ndibetha umoya;

27ndisuka ndiwuqobe umzimba wam, ndiwuxinzelele phantsi, hleze ndithi, ndakuba ndizivakalisile iindaba ezilungileyo kwabanye, ndibe mna ndingumlahlelwa phandle.

KwabaseKorinte I 10

Isiyalo esivela kwibali lamaSirayeli

1Ke andithandi ukuba ningâzi, bazalwana, ukuba oobawo babephantsi kwalo ilifu bonke; balucanda ulwandle bonke;

2babhaptizelwa bonke kuye uMoses efini elo naselwandle;

3badla bonke oko kudla kunye kukokomoya;

4basela bonke olo luselo lunye lulolomoya (kuba babesela kwiliwa elilelomoya elibe libalandela, iliwa elo ke lalinguye uKristu).

5Kanti noko uThixo akakholiswanga ngabona baninzi; kuba bathiwa waca entlango apho.

6Ezo zinto ke zabe ziyimizekelo kuthi, ukuze singabi ngabakhanuki bezinto ezimbi, njengokuba bakhanukáyo bona abo.

7Kanjalo musani ukuba ngababusi bezithixo, njengenxenye yabo; njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Abantu bahlala phantsi ukuba badle, basele, baza besuka bema ukuba badlale.

8Kanjalo masingenzi mbulo, njengokuba inxenye yabo yenza umbulo, kwawa ngamininye amawaka amashumi mabini anamathathu.

9Kanjalo masingamhendi uKristu, njengokuba inxenye yabo yahendayo, yaza yatshabalala ziinyoka.

10Kanjalo musani ukukrokra, njengokuba inxenye yabo yakrokrayo, yaza yatshabalala ngumtshabalalisi.

11Zonke ke ezo zinto, zabahlelayo bona, beziyimifuziselo; zabhalelwa ke ukululeka thina aba, bafikelweyo ziziphelo zawo amaphakade.

12Ngoko ke lowo uba umi, makalumke angawi.

13Anibanjwanga silingo singesesabantu. Uthembekile ke uThixo, ongayi kuvumela ukuba nilingwe ngaphezu kweninako; owothi, kunye nesilingo eso, avelise ithuba lokuphuma kuso, ukuba nibe nako ukuthwala.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Unqulo-zithixo malucezelwe

14Kungoko ndithi, zintánda zam, kubalekeni ukubusa izithixo.

15Ndithetha njengakwiingqondi; kucaluleni nina endikuthethayo.

16Indebe yentsikelelo le siyisikelelayo, asibubudlelane na begazi likaKristu? Isonka esi sisiqhekezayo, asibubudlelane na bomzimba kaKristu?

17Ngokuba thina, síbaninzi nje, sìsonka sinye, símzimba mnye, kuba sonke sabelana ngeso sonka sinye.

18Khangelani abangamaSirayeli ngokwenyama. Abo bawadlayo amadini, àbadlelani nesibingelelo eso, yini na?

19Ndíthini na ke ngoko? Ndíthi, isithixo siyinto na? Ndíthi, amadini enzelwa izithixo ayinto na?

20Anditsho! Ndìthi, Amadini eziwenzayo iintlanga, ziwenzela iidemon, aziwenzeli uThixo. Andithandi ke ukuba nibe ngamadlelane needemon nina.

21Aninako ukusela indebe yeNkosi nendebe yeedemon; aninako ukwabelana ngesithebe seNkosi nesithebe seedemon.

22Siyayikhweletisa na iNkosi? Sinamandla kunayo, yini na?

23Zonke izinto zivumelekile kum, noko azindilungele zonke; zonke izinto zivumelekile kum, noko azakhi zonke.

24Makungabikho namnye ufuna okukokwakhe ukulungelwa; elowo makafune nokomnye.

25Yonke into ethengelwa endaweni yokuthenga inyama, yidleni, ningaphicothi nto ngenxa yesazela;

26kuba umhlaba lo ngoweNkosi, nenzaliseko yawo.

27Ukuba ke ubani wakubo abangakholwayo uthi animeme, nithande ukuya, yonke into ebekwa phambi kwenu yidleni, ningaphicothi nto ngenxa yesazela.

28Kodwa ke ukuba ubani uthe kuni, Le nto ilidini elenzelwe izithixo, musani ukudla, ngenxa ke yalowo uyithe thupha loo ndawo, nangenxa yesazela; kuba umhlaba lo ngoweNkosi, nenzaliseko yawo.

29Ndithi, isazela ke, singesiso esakho wena; sisesomnye lowo. Kuba yini na ukuba inkululeko yam igwetywe sesinye isazela?

30Ke ukuba mna ndidla ndibulela, yini na ukuba ndinyeliswe ngenxa yoko ndikubulelayo mna?

31Ke ngoko nokuba niyadla, nokuba niyasela, nokuba nenza yiphi na into, zenzeleni uzuko lukaThixo izinto zonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Yibani ngabangebawisi nakumaYuda, nakumaGrike, nakulo ibandla likaThixo;

33njengokuba nam ndikholisa bonke ezintweni zonke, ndingafuni okwam ukulungelwa, ndifuna okwabaninzi, ukuze basindiswe.

KwabaseKorinte I 11

1Yibani ngabaxelisa mna, njengokuba nam ndixelisa uKristu.

Ukugqubuthela kwabafazi ezinkonzweni

2Ke kaloku ndiyanidumisa, bazalwana, kuba nindikhumbula ngeendawo zonke, nizibambile izithethe, njengoko ndaninikelayo.

3Kodwa ke ndithanda ukuba nazi, ukuba intloko yomntu wonke oyindoda nguKristu, intloko ke yomfazi yindoda, intloko ke kaKristu nguThixo.

4Umntu wonke oyindoda, ethandaza, mhlawumbi eprofeta, enento entloko, uyayihlaza intloko yakhe.

5Umntu wonke ke ongumfazi, ethandaza, mhlawumbi eprofeta, engenasigqubuthelo entloko, uyayihlaza eyakhe intloko; kuba oko kuntonye nokuba uchetyiwe.

6Kuba umfazi, ukuba akagqubuthele, makaselenquthulwa nokunquthulwa. Ke ukuba kulihlazo kumfazi ukuba anquthulwe, mhlawumbi achetywe, makabe nesigqubuthelo.

7Kuba indoda okunene ayifanele ukuba nesigqubuthelo entloko, ekubeni ingumfanekiselo nozuko lukaThixo; ke yena umfazi luzuko lwendoda.

8Kuba indoda ayiphume emfazini, ngumfazi ophume endodeni;

9kuba indoda ayidalwanga ngenxa yomfazi, kwadalwa umfazi ngenxa yendoda.

10Ngenxa yoko umfazi ufanele ukuba abe nomqondiso wegunya phezu kwentloko, ngenxa yezithunywa zezulu.

11Kodwa eNkosini apha indoda ayingaphandle komfazi, nomfazi akangaphandle kwendoda;

12kuba, njengokuba umfazi ephumé kwindoda, ngokunjalo nayo indoda ingaye umfazi; konke ke oko kuphumé kuThixo.

13Yahlulani nina ngaphakathi kwenu; kumfanele na umfazi ukuthandaza kuThixo, engagqubuthele?

14Kananjalo imvelo ngokwayo ayinifundisi na, ukuba indoda okunene ethi ibe neenwele ezinde, kulihlazo oko kuyo?

15Ke yena umfazi, ukuba uthi abe neenwele ezinde, kuluzuko oko kuye; ngokuba wazinikwa iinwele ezinde endaweni yesigqubuthelo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ke ukuba ubani ubonakala ethanda ukuphika, thina asinasiko linjalo, kwanawo amabandla kaThixo.

Ukuhlambela isidlo

17Ke kaloku, ndinithethela le ndawo nje, andinincomi, ukuba ukuhlangana kwenu ndawonye akusingisi kokhona kulungileyo; kusingisa kokhona kubi.

18Kuba kuqala ke, nakuhlangana ebandleni, ndiyeva ukuba kubakho izahlukahlukano phakathi kwenu; ndithi ke kufanele ukuba zikho.

19Kuba kumele ukuba kubekho nezahlukano phakathi kwenu, ukuze abacikidekileyo babonakale phakathi kwenu.

20Xenikweni ngoko nithe nahlangana ndawonye, asikuko ukuba nídle isidlo seNkosi;

21kuba ekudleni kwenu elowo udla okwakhe ukudla; uqala adle, bengekafiki abanye, aze omnye alambe, omnye anxile.

22Kanene aninazindlu na zokudlela nokusela? Okanye nidela ibandla likaThixo na, nibadanisa nje abangenanto? Ndíthini na kuni? Ndínidumise na kule nto? Andinidumisi.

23Kuba mna ndakwamkela kuyo iNkosi oko ndikunikeleyo nokukunikela kuni: Okokuba iNkosi uYesu, ngobusuku eyanikelwa ngabo, yathabatha isonka;

24yaza yakuba ibulele, yasiqhekeza, yathi, Thabathani, ndile, ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina; oku kwenzeleni ukundikhumbula.

25Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, emva kokuba kudliwe, isithi, Le ndebe ingumnqophiso omtsha osegazini lam; ngamaxesha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikhumbula.

26Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla eso sonka, niyisele loo ndebe, niyakwazisa ukufa kweNkosi, ide ifike.

27Ngoko ke, osukuba esidla eso sonka, ayisele indebe yeNkosi, ngokungafanelekileyo, woba netyala lomzimba negazi leNkosi.

28Makazicikide ke ngokwakhe umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka eso, asele kwindebe leyo;

29kuba lowo udlayo, uselayo, ngokungafanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli nje umzimba weNkosi.

30Ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abaswele amandla, nabayimilwelwe, banelè nabalele ukufa.

31Kuba xa besizicalula, ngesiba asigwetywa.

32Sigwetywa nje ke, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi ndawonye nehlabathi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

33Ngoko ke, bazalwana bam, xa nihlangene ndawonye ukuba nidle, lindanani.

34Ukuba ke ubani ulambile, makadle ekhaya, ukuze ningahlanganeli ukugwetywa. Eziseleyo ke iindawo ndozilungisa, xa ndithe ndafika.

KwabaseKorinte I 12

Iintlobontlobo nobunye bezipho ezizezoMoya

1Ke ngezipho ezizezoMoya, bazalwana, andithandi ukuba ningàzi.

2Niyazi ukuba nibe ningabeentlanga, nikhukuliselwe ezithixweni ezingenakuthetha, njengoko nisakuthi nikhokelwe ngako.

3Kungoko ndinazisayo, okokuba akukho namnye, ethetha ekuMoya kaThixo, unokuthi ungosingelwe phantsi uYesu; kanjalo akukho namnye unako ukuthi úyiNkosi uYesu, engekuye uMoya oyiNgcwele.

4Ke kaloku kukho izabelo ngezabelo zezibabalo, kodwa ke ikwanguloo Moya mnye.

5Kukho nezabelo ngezabelo zezilungiselelo, phofu ikwayiloo Nkosi inye.

6Kukho nezabelo ngezabelo zeentsebenzo, kodwa ke ikwanguloo Thixo mnye uzisebenzayo izinto zonke kubo bonke.

7Elowo ke uphiwa ukubonakalalisa uMoya, kuze kubekho okulungele bonke;

8kuba omnye okunene uphiwa ngaye uMoya ilizwi lobulumko; kodwa ke omnye, ilizwi lokwazi kwangokwaloo Moya;

9wumbi ke uphiwa ukholo kwangaloo Moya; omnye ke, izibabalo zeziphiliso kwangaloo Moya;

10omnye ke uphiwa iintsebenzo zemisebenzi yamandla; omnye ke iziprofeto; omnye ke, ukucalula oomoya; wumbi ke, iintlobo zeelwimi; omnye ke, ukucaciswa kweelwimi.

11Zonke ke ezo zinto zisetyenzwa kwangaloo Moya mnye; umabela elowo ngokwakhe njengoko athandayo.

Ukuzekelisa ngomzimba

12Kuba, kwanjengokuba umzimba umnye, unamalungu amaninzi, abe ke onke amalungu aloo mzimba mnye, emaninzi nje, emzimba mnye, ukwanjalo ke noKristu lo.

13Kuba thina sonke sabhaptizelwa mzimbeni mnye ngaMoya mnye, nokuba singamaYuda, nokuba singamaGrike; nokuba singamakhoboka, nokuba singabakhululekileyo;

14sonke sasezwa Moyeni mnye; kuba nomzimba lo ungèlungu linye, ungamaninzi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ukuba luthe unyawo, Ngokuba ndingesiso isandla, andingowasemzimbeni, lúthi, ngenxa yoko, lungabi lolwasemzimbeni na?

16Nokuba ithe indlebe, Ngokuba ndingelilo iliso, andingowasemzimbeni, íthi, ngenxa yoko, ingabi yeyasemzimbeni na?

17Ukuba umzimba lo uphela ubuliliso, bekuya kuba phi na ukuva? Ukuba ubukukuva uphela, bekuya kuba phi na ukusezela?

18Kungoku ke uThixo wawamisa amalungu, lalelo nelo emzimbeni, njengoko wathandayo.

19Ukuba ke onke ebelungu linye, ubuya kuba phi na umzimba?

20Kungoku ke maninzi okunene amalungu, kodwa mnye wona umzimba.

21Alinako ke iliso ukuthi kwisandla, Akufuneki kum; kanjalo intloko ayinakuthi kwiinyawo, Anifuneki kum.

22Asuka amalungu omzimba angáthi ngaswele amandla kwamanye, abe ngawona afunekayo.

23Namalungu omzimba esiba ngaswele imbeko kunamanye, lawo ngawona siwabeka embekweni; aze amalungu ethu ahloniphekayo, abe ngawona abekekileyo.

24Amalungu ethu ke abekekileyo akufuneki nto kuwo. Usuke uThixo wawumanya umzimba, wathi ilungu elingento walibeka kweyona mbeko inkulu;

25ukuze kungabikho kwahlukahlukana emzimbeni, kubekho ukunyamekelana kwamalungu ngakunye;

26kuthi, nokuba lilungu elinye eliva ubunzima, avelane amalungu onke; nokuba lilungu elinye elizukiswayo, avuyisane amalungu onke.

27Nina ke ningumzimba kaKristu, ningamalungu ngokwabelwa izabelo.

28Wathi inxenye uThixo wayimisa ebandleni, kuqala yangabapostile, okwesibini abaprofeti, okwesithathu abafundisi; kwaza kwaba yimisebenzi yamandla, kwaba zizibabalo zeziphiliso, iintsizo, izilawulo, iintlobo zeelwimi.

29Bangabapostile bonke yini na? Bangabaprofeti bonke yini na? Bangabafundisi bonke yini na? Bangabenzi bemisebenzi yamandla bonke yini na?

30Banezibabalo zeziphiliso bonke yini na? Bathetha ngalwimi zimbi bonke yini na? Bacacisa intetho bonke yini na?

31Zondelelani ke ezona zibabalo zilungileyo; kanti ke ndisanibonisa eyona ndlela incamisileyo.

KwabaseKorinte I 13

© 1975 Bible Society of South Africa.

Uthando sisona sipho sikhulu

1Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezezithunywa zezulu; uthando ke
ndingenalo, ndisuke ndaba yixina ehlokomayo, necangci elikhenkcezayo.

2Ndingafanelana ndinabo nobuprofeto, ndizazi iimfihlelo zonke, ndinako konke
ukwazi; ndingafanelana ndinalo lonke ukholo, ngokokude ndisuse iintaba, uthando
ke ndingenalo, andinto yanto.

3Ndingafanelana ndisamkelisa amahlwempu ngempahla yam yonke, nokuba ndithe
umzimba wam ndawunikela ukuba utshiswe, uthando ke ndingenalo, akundincedi
lutho.

4Uthando luzeka kade umsindo, lunobubele; uthando alunamona; uthando
alugwagwisi;

5alukhukhumali; alwenzi okuziintloni; alufuni okukokwalo kodwa;

6alucaphuki; alunanzondo; aluvuyeli kungalungisi; luvuyisana nenyaniso.

7Luthwala iinto zonke; lukholwa ziinto zonke; luthemba iinto zonke; lunyamezela
iinto zonke.

8Uthando aluze lutshitshe; nokuba ke ziziprofeto, ziya kubhangiswa; nokuba ziilwimi,
ziya kupheza; nokuba kukwazi, kuya kuphuthiswa.

9Kuba siyazi ngokuyinxenye, siprofeta ngokuyinxenye.

10Xa kuthe ke kwafika okuzalisekileyo, kuya kwandula ukuphuthiswa okuyinxenye.

11Oko bendingumntwana, bendithetha ngokomntwana, bendiqonda ngokomntwana,
bendicamanga ngokomntwana; ndithe ke, ndakuba yindoda, ndazibhangisa izinto
zobuntwana.

12Kuba ngoku sikhangela esipilini ngokwamanakanibe; oko ke, siya kukhangelana
ebusweni. Ngoku ndazi ngokuyinxenye; oko ke ndiya kwazi kakuhle, njengoko
ndaziwayo nokwaziwa nam.

13Kungoku ke kuhleli ukholo, ithemba, uthando, ezo zinto zontathu; eyona inkulu ke
kuzo apho luthando.

KwabaseKorinte I 14

Izipho zokuprofeta nezeelwimi

1Phuthumani uthando olo, nibe kodwa nizizondelela izipho ezizezoMoya,
ngokukodwa ke ukuba niprofete.

2Kuba lowo uthetha ngalulwimi lumbi akathethi bantwini, uthetha kuThixo; kuba
akukho namnye umvayo, kodwa ke ngomoya uthetha iimfihlelo.

3Ke yena oprofetayo uthetha ebantwini ulwakheko, noyalo, nokhuzo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Lowo uthetha ngalulwimi lumbi uzakha yena; ke lowo uprofetayo wakha ibandla.

5Ndiyathanda ke ukuba nithethe ngalwimi zimbi nonke, noko ke ndithanda ngokukodwa ukuba niprofete. Kuba yena oprofetayo mkhulu kunalowo uthetha ngalwimi zimbi, xa lo angayicacisiyo intetho, ukuze ibandla libe nokwakheka.

6Kunjalonje ke, bazalwana, ukuba ndithe ndeza kuni, ndithetha ngalwimi zimbi, bendiya kuninceda ntoni na, xa ndingathanga ndithethe kuni ndinesityhilelo, ndinokwazi, ndinesiprofeto, ndinemfundiso?

7Khona kwizinto ezihlokomayo ezingenamphefumlo, ezinjengembande, nohadi, ukuba azithanga zahlule ukuhlokoma kwazo, bekungáthiwani na ukwaziwa oko kubethwayo ngembande, noko kubethwayo ngohadi?

8Kuba kanjalo, xa ixilongo lithe lalila ngezwi elingaqondakaliyo, ngubani na owoyixhobela imfazwe?

9Ngokunjalo nani, ukuba anithanga nithethe ngalo ulwimi intetho eqondeka kakuhle, yothiwani na ukwaziwa into enithetha yona? Kuba noba nithethela emoyeni.

10Nokuba zingaba sezingakanani na ukuba zininzi kwazo iintlobo zeentetho ehlabathini, akukho nalunye kuzo olungenanto luthetha yona.

11Ukuba ngoko andithanga ndiyazi intsingiselo yentetho, ndoba ngumbharbhari kothethayo, nothethayo woba ngumbharbhari kum.

12Ngokunjalo nani, ekubeni kaloku nizondelela izipho ezizezoMoya, zifuneleni ukuba nibe nazo ngokugqithiseleyo, ukuze lakheke ibandla.

13Ngenxa yoko ndithi, othethayo ngalwimi zimbi, makathandazele ukuba icace intetho yakhe.

14Kuba xa ndithandaza ngalulwimi lumbi, umoya wam uyathandaza okunene wona, ke yona ingqiqo yam ayinasiqhamo.

15Kuthini na ke ngoko? Ndiya kuthandaza ngomoya, ndithandaze nangengqiqo; ndiya kuvuma ngomoya, ndivume nangengqiqo.

16Okanye, ukuba ùthe wasikelela ngomoya wodwa, wóthini na lowo uhleliyo endaweni yongenakwazi ukuthi, Amen, ekubuleleni kwakho, ekubeni kaloku into oyithethayo engayazi?

17Kuba okunene wena uyatyapha ukubulela, kodwa onguwumbi akakheki.

18Ndiyabulela kuThixo wam, kuba ndithetha ngalwimi zimbi ngaphezu kwenu nonke;

19kodwa ke ebandleni ndithanda ukuthetha amazwi abe mahlanu ngayo ingqiqo yam, ukuze ndibafundise nabanye, kunokuba ndithethe amazwi angamawaka alishumi, ngalulwimi lumbi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Bazalwana, musani ukuba ngabantwana engqondweni; ebubini yibani ziintsana, engqondweni ke yibani ngabantu abakhulu.

21Emthethweni kubhaliwe kwathiwa, Ndiya kuthetha kwaba bantu ngalwimi zimbi nangamlomo wumbi; noko ndiya kwenjenjalo, abayi kundiva, itsho iNkosi.

22Ngoko ke iilwimi ezi zikho ukuba zibe ngumqondiso kwabo bangakholwayo, kungekubo abakholwayo: ke sona isiprofeto asisesabangakholwayo, sesabakholwayo.

23Ukuba ngoko lithe lahlangana ndawonye ibandla liphela, bathetha bonke ngalwimi zimbi, kwaza kwangena abangenakwazi, nokuba ngabangakholwayo, abasayi kuthi na, niyageza?

24Ke ukuba bathi bonke baprofete, kuze ke kungene umntu ongakholwayo, nokuba ngongenakwazi, uyohlwaywa ngabo bonke, adane;

25uyaphicothwa ngabo bonke; zize ngokunjalo izinto ezifihlakeleyo zentliziyo yakhe zibonakalaliswe; wóthi ngokunjalo, esiwa ngobuso, amnqule uThixo, exela ukuba uThixo uphakathi kwenu okwenyaniso.

Imfuneko yolungelelwano enkonzweni

26Kuthini na ke ngoko, bazalwana? Xa sukuba nihlangene, uthi elowo kuni abe nengoma, abe nemfundiso, abe nalulwimi lumbi, abe nesityhilelo, abe nokuchaza intetho. Mazithi zonke izinto zenzelwe ukuba lakheke ibandla.

27Kanjalo ukuba umntu uthetha ngalulwimi lumbi, makuthethe babini, mhlawumbi bathathu, bangegqithi, kube ngokulandelelana, aze omnye acacise intetho.

28Ke xa kungekho mchazi-ntetho, makathi cwaka ebandleni; makathethe kuye ngokwakhe nakuThixo.

29Abaprofeti ke, makuthethe babini, mhlawumbi bathathu, abanye bacalule.

30Ukuba ke kuthe watyhilelwa into omnye ehleli khona, owokuqala makathi cwaka.

31Kuba ninako ukuprofeta ngabanye nonke, ukuze bafunde bonke, bavuselelwe bonke.

32Kanjalo oomoya babaprofeti bayabalulamela abaprofeti;

33kuba uThixo akangowesiphithiphithi, ngowoxolo; njengokuba kunjalo kuwo onke amabandla abangcwele.

34Abafazi benu mabathi tu emabandleni; kuba àbavunyelwa bona ukuba bathethe. Kuthiwa mabalulame, njengokuba usitsho nomthetho.

35Ukuba ke banga bangaqonda into, mabayibuze ekhaya kwawabo amadoda; kuba lihlazo kubafazi ukuthetha ebandleni.

36Kanene ilizwi likaThixo laphuma livela kuni na? lafika kuni nedwa, kusini na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

37Ukuba umntu uba ungumprofeti, nokuba uba ungowoMoya, makazazi kakuhle izinto endinibhalela zona, ukuba yimithetho yeNkosi.

38Ke ukuba umntu akazi, makangazi.

39Ngoko ke, bazalwana, kuzondeleleni ukuprofeta, ningakwaleli ukuthetha ngalwimi zimbi.

40Zonke izinto mazenziwe ngokubekekileyo, nangolungelelwano.

KwabaseKorinte I 15

Uvuko lwabafileyo

1Ke kaloku, bazalwana, ndiyanazisa iindaba ezilungileyo, ezo ndazishumayela kuni, nazamkelayo nokuzamkela, nimiyo nokuma kuzo,

2nisindiswayo nokusindiswa ngazo, ukuba nizibambile ngelizwi endazishumayela ngalo kuni; ukuba anithe nafumana nakholwa.

3Kuba ndaninikela kweziyintloko izinto oko ndakwamkelayo nokukwamkela: okokuba uKristu wazifela izono zethu ngokwezibhalo,

4nokokuba wangcwatywa, nokokuba uvukile ngomhla wesithathu ngokwezibhalo;

5nokokuba wabonwa nguKefas, emva koko ngabalishumi elinababini.

6Emveni koko wabonwa ngaxesha linye ngabazalwana abangaphezu kwamakhulu amahlanu, abasahleliyo nangoku abona baninzi kubo; inxenye ke yalala ukufa.

7Emva koko wabonwa nguYakobi, kamva ngabo bonke abapostile.

8Ekugqibeleni ke kwabo bonke, kwanga kukwinto ezelwe lingekabi lilixa layo, wabonwa nandim.

9Kuba mna ndingoyena mncinanana kubapostile, endingafanele kubizwa ngokuba ngumpostile, ngenxa enokuba ndalitshutshisa ibandla likaThixo.

10Ke ngobabalo lukaThixo ndiyinto endiyiyo, nobabalo lwakhe kum alubanga nakulambatha; ndesuka ndabagqitha bonke ngokubulaleka; ingendim ke, ilubabalo lukaThixo olunam.

11Ke ngoko, nokuba ndim, nokuba ngabo, sènjenjalo thina ukushumayela; nènjenjalo ke nina ukukholwa.

12Ke, ukuba uKristu uyashunyayelwa ukuba uvukile kwabafileyo, batsho ngani na abathile phakathi kwenu ukuthi, akukho luvuko lwabafileyo?

13Ke, ukuba akukho luvuko lwabafileyo, woba akavukanga noKristu;

14ukuba ke uKristu akavukanga, koba akunto ukushumayela kwethu, loba luyalambatha nokholo lwenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Sofunyanwa ke singawo namangqina amxokayo uThixo, ngokuba sangqinayo
ngoThixo ukuba wamvusa uKristu: angàmvusanga, ukuba ke kanti abafileyo abavuki.

16Kuba, ukuba abafileyo abavuki, noKristu woba akavukanga.

17Ukuba ke uKristu akavukanga, loba luyinto engeyanto ukholo lwenu, noba
nisesezonweni zenu;

18ngoko nabalele ukufa bekuKristu, boba batshabalele.

19Ukuba singabathembele kuKristu kobu bomi bodwa, soba sizezona ntsizana
kubantu bonke.

20UKristu yena kunje uvukile kwabafileyo, waba yintlahlela yabalele ukufa.

21Kuba ekubeni kaloku kungomntu ukufa, kukwangomntu ukuvuka kwabafileyo.

22Kuba, njengokuba kuye uAdam bafa bonke, ngokunjalo nakuye uKristu baya
kudliswa ubomi bonke:

23elowo ke kolwakhe uluhlu; intlahlela inguKristu, kamva abakaKristu ekufikeni
kwakhe;

24kwandule ke ukubakho isiphelo, xa athe wabunikela ubukumkani kuye uThixo
uYise, xa athe wabubhangisa bonke ubulawuli, nalo lonke igunya, namandla.

25Kuba umelwe yena kukuthi alawule, ade azibeke phantsi kweenyawo zakhe zonke
iintshaba.

26Olokugqibela utshaba oluya kubhangiswa kukufa;

27kuba izinto zonke wazithobela phantsi kweenyawo zakhe. Ke xa athi, Izinto zonke
zithotyiwe, kuyabonakala ukuba àkabalwa lowo wazithobela phantsi kwakhe zonke
izinto.

28Xa ke zithe zathotyelwa phantsi kwakhe zonke izinto, uya kwandula noNyana
ngokwakhe athotyelwe phantsi kwalowo wazithobela phantsi kwakhe zonke izinto,
ukuze uThixo abe zizinto zonke kubo bonke.

29Okanye baya kwenza ntoni na abo babhaptizelwa abafileyo, ukuba abafileyo àbaze
bavuke? Yini na ukuba babhaptizelwe nokubhaptizelwa abafileyo?

30Nathi, yini na ukuba sibe semngciphekweni amaxa onke?

31Ndisekufeni imihla ngemihla; qondani ngokuzingca kwam ngani, endinako
ndikuKristu Yesu, iNkosi yethu.

32Ukuba ndithe ngokwabantu ndalwa namarhamncwa e-Efese, kundinceda ntoni na?
Ukuba abafileyo abavuki, masesisidla, sisela, kuba ngomso siya kufa.

33Musani ukulahlekiswa. Incoko embi yonakalisa izimilo ezilungileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

34Qabukani kakuhle, ningoni; kuba inxenye inentswela-kumazi uThixo; nditsho kuni
ukuba nidane.

35Wósuka ubani athi, Bathini na ukuvuka abafileyo? Beza benamzimba unjani na?

36Msweli-kuqonda wena, into oyihlwayelayo ayenziwa iphile, ukuba ayikhanga ife.

37Kanjalo loo nto uyihlwayelayo, akuhlwayeli sona isiqu sento esiya kubakho;
uhlwayela ukhozo nje, lungáthi lube lolwengqolowa, nokuba lolwezinye iintlobo;

38uThixo ke ulunika isiqu, njengoko athandileyo; iyileyo imbewu uyinika esisesayo
isiqu.

39Yonke inyama ayinyama-nye; enye yinyama yabantu, enye yinyama yeenkomo,
enye yeyeentlanzi, enye yeyeentaka.

40Kukho iziqu ezisezulwini, neziqu ezisemhlabeni; bubodwa ubuqaqawuli
bezasezulwini, bubodwa obezasemhlabeni.

41Bubodwa ubuqaqawuli belanga, bubodwa ubuqaqawuli benyanga, bubodwa
ubuqaqawuli beenkwenkwezi; kuba inkwenkwezi iyahluka kwenye inkwenkwezi
ngobuqaqawuli.

42Lunjalo ke kanye novuko lwabafileyo. Umzimba uhlwayelwa unokonakala, uvuka
ungenakonakala.

43Uhlwayelwa uswele imbeko, uvuka unobuqaqawuli; uhlwayelwa uswele amandla,
uvuka unamandla;

44kuhlwayelwa umzimba ongowemvelo, kuvuka umzimba ongowomoya. Kukho
umzimba ongowemvelo, kukho nomzimba ongowomoya.

45Ngokunjalo kubhaliwe kwathiwa, Owokuqala umntu uAdam waba ngumphefumlo
odla ubomi; owokugqibela uAdam waba ngumoya odlisa ubomi.

46Ke akuqali okomoya; kuqala okwemvelo, kwandule ukuza okomoya.

47Owokuqala umntu uphume emhlabeni, ungowomhlaba; owesibini umntu, iNkosi,
uphume emazulwini.

48Into ayiyo owomhlaba, bakwayiyo abomhlaba; kanjalo nento ayiyo osemazulwini,
bakwayiyo abasemazulwini;

49njengokuba sawambathayo umfanekiselo wowomhlaba, siya kuwambatha
nomfanekiselo wosemazulwini.

50Ke, bazalwana, nditsho ukuthi, inyama negazi azinako ukubudla ilifa ubukumkani
bukaThixo; nokonakala akunakukudla ilifa ukungonakali.

51Yabonani, ndinixelela imfihlelo: Okunene asiyi kulala ukufa sonke; kodwa siya
kwenziwa ngakumbi sonke,

© 1975 Bible Society of South Africa.

52ngesiquphe, ngephanyazo, ngexilongo lokugqibela. Kuba liya kulila ixilongo, bavuke abafileyo bengenakonakala, senzìwe ngakumbi ke thina.

53Kuba kumele oku konakalayo ukwambatha ukungonakali, noku kufayo ukwambatha ukungafi.

54Xa ke oku konakalayo kuthe kwambatha ukungonakali, noku kufayo kuthe kwambatha ukungafi, liya kwandula ukwenzeka ilizwi elibhaliweyo lokuthi, Ukufa kufincelwe eloyisweni.

55Luphi na, kufa, ulwamvila lwakho? Luphi na, Hadesi, uloyiso lwakho?

56Ulwamvila lokufa sisono; amandla esono ngumthetho.

57Makubulelwe ke kuThixo osinikayo uloyiso olo, ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu.

58Ngoko ke, bazalwana bam abaziintánda, qinani, ningabi nakushukuma; nihlale niphuphuma umsebenzi weNkosi, nisazi nje ukuba ukubulaleka kwenu akulambathi eNkosini.

KwabaseKorinte I 16

Ukukhongozelela amahlwempu aseYerusalem

1Ke kaloku, ngokubuthwa kwemali yokusiza abangcwele, njengokuba ndawamiselayo amabandla kaThixo akwelaseGalati, yenzani ngokunjalo nani.

2Ngolokuqala usuku, iiveki ngeeveki, elowo kuni makabeke ekhaya, eqweba, into asukuba esikelelwe ngayo; ukuze kungathi, ndakuba ndifikile, kwandule ukubuthwa imali.

3Ke ndakuba ndifikile, enisukuba nibacikidile nakholwa ngabo, ndobathuma bona benencwadi, base isipho senu esi eYerusalem.

4Ke ukuba kuthe kwabonakala ukuba nam ndiye, bohamba kunye nam.

Iinjongo zikaPawulos; imicimbi engabantu; imibuliso

5Ndiya kuza ke kuni, xa ndithe ndacanda kwelaseMakedoni, kuba ndiya kwanela ukucanda nje kwelaseMakedoni.

6Ke kuni mhlawumbi ndingáthi ndihlale ndidlulise nobusika, ukuze nina nindiphelekelele apho ndisukuba ndisiya khona.

7Kuba andithandi ukuba ndinibone ngoku ndidlulayo; kodwa ndithemba ukuba ndokha ndihlale kuni ixesha elithile, ukuba iNkosi ithe yavuma.

8Ndiya kuhlala ke e-Efese kude kubekho ipentekoste;

9kuba ndivulelwe umnyango omkhulu onamandla, bebaninzi nabachasi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ke kaloku, ukuba uTimoti uthe wafika, ize nikhangele ukuba angabi nakoyika phakathi kwenu; kuba uyawusebenza umsebenzi weNkosi, kwanjengam.

11Ize kungabikho bani ngoko umenza into engento. Mphelekeleleni ke nixolile, ukuze eze kum; kuba ndimlindile kunye nabazalwana.

12Ke kaloku, ngaye uApolo umzalwana, ndamvuselela kakhulu, ukuba eze kuni kunye nabazalwana. Kuye akubangakho kanye ukuthanda ukuza okwakalokunje; woza ke, xa athe wanethuba elilungileyo.

13Phaphani, yimani elukholweni; yibani ngamadoda; yomelelani.

14Zonke izinto zenu mazenziwe ninothando.

15Ke kaloku ndiyanivuselela, bazalwana (niyayazi indlu kaStefana, ukuba iyintlahlela yelaseAkaya, nokuba bazimisele ukulungiselela abangcwele),

16ukuze nani nibalulamele abanjalo, nabo bonke abasebenzisana nathi emsebenzini, nababulalekayo.

17Ndiyavuya ke ngokufika kukaStefana noFortunato noAkayiko; ngokuba bakwenzelelele bona ukungabikho kwenu;

18kuba bawuphumzile umoya wam nowenu. Bazini kakuhle ngoko abanjalo.

19Ayanibulisa amabandla kaThixo akwelaseAsiya. Bayanibulisa kunene eNkosini uAkwila noPrisila, kunye nebandla elisendlwini yabo.

20Bayanibulisa abazalwana bonke. Bulisanani ngolwango olungcwele.

21Umbuliso ungesam isandla, mna Pawulos.

22Ukuba ubani akayithandi iNkosi uYesu Kristu, makasingelwe phantsi.

23INkosi iyeza. Ubabalo lweNkosi uYesu Kristu malube nani.

24Uthando lwam malube nani nonke bakuKristu Yesu. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseKorinte II

KwabaseKorinte II 1

Umbuliso nombulelo

1UPawulos, umpostile kaYesu Kristu ngokuthanda kukaThixo, noTimoti umzalwana, ubhalela ibandla likaThixo eliseKorinte, kunye nabo bonke abangcwele abakwelaseAkaya liphela:

2uthi, makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo, uBawo wethu, neNkosi yethu uYesu Kristu.

3Makabongwe uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu, uSozimfefe, uThixo onako konke ukuthuthuzela,

4osithuthuzelayo kuyo yonke imbandezelo yethu, ukuze sibe nako ukubathuthuzela abakwinto yonke eyimbandezelo, ngayo intuthuzelo esithuthuzelwa ngayo nathi nguye uThixo.

5Ngokuba, njengokuba iintlungu zikaKristu ziphuphumela kuthi, ngokunjalo ithi nentuthuzelo yethu iphuphume ngoKristu.

6Nokuba na ke siyabandezelwa, oko kwenzelwa ukuthuthuzela nokusindisa nina, ukusindisa ke okusebenzayo ngokunyamezela kwenu kwa-ezo ntlungu sizivayo nathi; nokuba na ke siyathuthuzelwa, oko kwenzelwa ukuthuthuzela nokusindisa nina.

7Kanjalo ithemba lethu ngani liqinisekile; sisazi ukuba, njengokuba ningamadlelane nathi ngazo iintlungu, ngokunjalo niyakuba ngawo nangentuthuzelo.

8Kuba asithandi ukuba ning ayazi, bazalwana, imbandezelo yethu eyasihlelayo kwelaseAsiya: ukuba saxineka ngokuncamisileyo, ngaphezu kwamandla ethu, ngokokude sibuncame kanye nobomi.

9Sasuka ngokwethu saba nesigwebo sokufa ngaphakathi kwethu, ukuze singabi ngabasazithembayo, sithembele kuThixo lo ubavusayo abafileyo;

10owasihlangulayo ekufeni okungako, osihlangulayo nangoku; esithembele kuye ukuba usaya kusihlangula:

11nakubon' ukuba niyancedisa nani ngokusikhungela, ukuze isipho esingokubabalwa, esenzelwe sona thina ngabantu abaninzi, sibulelwe ngabaninzi ngenxa yethu.

Iinjongo ezimsulwa zikaPawulos

12Kuba oko kuqhayisa kwethu kukungqina kwesazela sethu, ukuba sithe ehlabathini apha, ngokukodwa ke kuni, sahlala singabangenakumbi, sinokungcwengeka okuvela kuThixo, singenabulumko bubobenyama, sinobabalo lukaThixo.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

13Kuba asinibhaleli zimbi izinto, ikwazezo nizilesayo, nizaziyo kakuhle. Ndiyathemba
ke ukuba niya kuzazi kakuhle, kude kuse nasekupheleni,

14njengokuba nasaziyo kakuhle ngokuyinxenye, ukuba siliqhayiya lenu,
kwanjengokuba nani nilelethu ngemini yeNkosi uYesu.

Ukurhoxiswa kotyelelo lukaPawulos

15Ndinaloo nkoloseko ke, ndanqwenela ukunga ndingeza kuni kuqala, ukuze
nibabalwe okwesibini;

16ndíze ndicande kuni ukuya kwelaseMakedoni; ndibuye, ndivela kwelaseMakedoni,
ndize kuni, ndiphelekelelwe nini ukuya kwelakwaYuda.

17Xa ngoko ndandifuna oko, ndandifeketha na kanti? Okanye izinto endizicebayo,
ndiziceba ngokwenyama yini na ukuze nje kubekho kum uewe, ewe;

18nohayi, hayi? Ethembekile nje ke uThixo, ilizwi lethu kuni alibanga nguewe nohayi.

19Kuba yena okaThixo uNyana, uYesu Kristu, owavakaliswayo phakathi kwenu sithi
(ndim ke noSilvano noTimoti), akabanga nguewe nohayi; kuye nguewe kwakanye;

20kuba ngangoko angako amadinga kaThixo, uewe ukuye, noamen ukuye, ukuze
kuzukiswe uThixo ngathi.

21Osiqiniselayo ke ndawonye nani kuKristu, osithambisayo ke, nguThixo;

22ositywine wasiqinisa, wasinika isinyaniso soMoya, saba sezintliziyweni zethu.

23Mna ke ndibiza uThixo, ukuba abe lingqina emphefumlweni wam, ukuba
kungokunivela, endithe ndaba andikezi eKorinte.

24Anditsho ngakulugagamela ukholo lwenu; nditsho ngokuba singabasebenza nani
uvuyo lwenu; kuba nimi ngokholo.

KwabaseKorinte II 2

1Mna ke okwam, ndagqiba kweli lokuba ndingabuyi ndize kuni ndibuhlungu.

2Kuba mna ukuba ndinenza buhlungu, kusekho bani na ke ondenza ndibe nemihlali,
ongenguye lowo wenziwe wabuhlungu kwandim?

3Ndanibhalela ke kwakona oku, ukuze ndakufika ndingabi buhlungu ngabo
bendimelwe kukuvuya ngabo; ndíkholosile ngani nonke, ukuba uvuyo lwam
ikwalolwenu nonke.

4Kuba ndanibhalela ekubandezelekeni nasekuxinezelekeni okukhulu kwentliziyo yam,
ndineenyembezi ezininzi; ndingenzeli ukuze nenziwe buhlungu, ndisenzela ukuze
nilwazi uthando endinithanda ngalo ngokugqithiseleyo.

Ukwamkelwa kozohlwayayo

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ke ukuba ubani wenzé kwabuhlungu, akenzé kwabuhlungu mna, wenzé ngenxenye
nina nonke; nditsho ukuze ndingamcinezeli.

6Kumanele lowo unjalo oko kumkhalimela kwábona baninzi kuni;

7ngokokude nithi kanye senimxolela, nimthuthuzele, hleze lowo unjalo aselesuka
edliwa kukuba buhlungu ngokugqithiseleyo.

8Kungoko ndiniyalayo, ndíthi, luzinziseni uthando kuye;

9kuba ndabhalela kona oku, ukuze ndikwazi ukucikideka kwenu, ukuba ningábevayo
na ezintweni zonke.

10Enimxolelayo ke into, ndiyamxolela nam; kuba nam, ukuba ndixolele into
endiyixoleleyo, ndenzé ngenxa yenu, phambi kukaKristu;

11ukuze singabonelelwa nguye uSathana; kuba amaqhinga akhe siyawazi.

Ukulingwa nokoyisa kweendaba ezilungileyo

12Ke kaloku, ndathi ndakufika eTrowa ngenxa yeendaba ezilungileyo zikaKristu,
ndakuba ndiwuvulelwe nomnyango eNkosini,

13andibanga nakonwaba emoyeni wam, ngokungamfumani uTito, umzalwana wam;
ndesuka ndababulisa, ndanduluka ndaya kwelaseMakedoni.

14Makubulelwe ke kuThixo, ohlala eduma ngathi sikuKristu, elibonakalalisa ngathi
ivumba lokwaziwa kwakhe ezindaweni zonke.

15Ngokuba kuye uThixo silivumba elimnandi likaKristu, phakathi kwabasindiswayo
naphakathi kwabatshabalalayo.

16Kwabanye silivumba lokufa elisa ekufeni; kwabanye silivumba lobomi elisa
ebomini. Ngubani na ke ozilingeneyo ezo zinto?

17Kuba àsithi, njengabaninzi abo, silingxengelele ilizwi likaThixo; sisuka
ngokwabokungcwengeka, sisuka ngokwabakwaThixo, sithethe phambi kwamehlo
kaThixo, sikuKristu.

KwabaseKorinte II 3

Iziqhamo zomsebenzi kaPawulos

1Xa sitshoyo, singaba siyawaqala siziyaleze na? Okanye sifuna, njengabathile, kusini
na, iincwadi zokuyalezwa kuni, nokuba zezokuyalezwa nini?

2Incwadi yethu thina, ebhalwe ezintliziyweni zethu, níni; iyaziwa, ileswa ngabantu
bonke;

3níbonakalalisiwe nje ukuba niyincwadi kaKristu, eyalungiselelwa sithi,
engabhalwanga ngainki, ebhalwe ngoMoya kaThixo ophilileyo; kungekhona
emacwecweni amatye, kusemacwecweni angawenyama entliziyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Sinenkoloseko enjalo ke kuThixo ngaye uKristu.

5Ukutsho andithi, sikulingene ngokwethu ukucamanga nto engathi iphuma kuthi ngokwethu; ukukulingana kwethu oko kuphuma kuThixo,

6osenze nokusenza sakulingana ukuba ngabalungiseleli bomnqophiso omtsha; singabi ngabobhalo nje kodwa, sibe singabomoya; kuba ubhalo luyabulala, umoya ke udlisa ubomi.

Ubuqaqawuli beendaba ezilungileyo buthelekiswa nobomthetho

7Ke kaloku, ukuba ulungiselelo olo lubulalayo, lukroliweyo ematyeni ngobhalo, lweza lunobuqaqawuli, ngokude oonyana bakaSirayeli bangabi nakuqwalasela ebusweni bukaMoses, ngenxa yobuqaqawuli bobuso bakhe, ubuqaqawuli ke obebuza kubhanga:

8lungathini na ulungiselelo lwakhe uMoya, ukungabi nobuqaqawuli ngokugqithiseleyo?

9Kuba, ukuba ulungiselelo olugwebayo lunobuqaqawuli, kokukhona luya kugqithisela ngobuqaqawuli ulungiselelo lobulungisa.

10Kuba kwanoko kwenziwe kwaba nobuqaqawuli, akwenziwanga kwaba nobuqaqawuli ngale ndawo, ngenxa ke yobuqaqawuli obu bona bubalaselayo.

11Kuba xa oko bekuza kubhanga kunobuqaqawuli, kokukhona oku kuhleliyo kunobuqaqawuli.

12Sínethemba elinjalo nje ke ngoko, kokukhona singafihlisiyo ukuthetha;

13singaxelisi uMoses, yena wabeka isigqubuthelo ebusweni bakhe, ukuze oonyana bakaSirayeli bangaqwalaseli esiphelweni soko bekuza kubhanga.

14Zesuka noko zaqaqadekiswa iingqiqo zabo; kuba nanamhla sisahleli kwaeso sigqubuthelo ekulesweni kwawo umnqophiso omdala, singabhenqwanga, nto leyo ke ibhangayo kuKristu.

15Kusuke kwada kwaba namhlanje, kusithi, xenikweni kuleswa uMoses, kusuke kubekho isigqubuthelo entliziyweni yabo.

16Ke xenikweni ithe ke yona yabuyela eNkosini sosuswa kuphele isigqubuthelo eso.

17INkosi ke inguye uMoya; apho ke akhoyo uMoya weNkosi, kubakho inkululeko.

18Thina ke sonke, sínobuso nje obubhenqwe isigqubuthelo, síbukhangela njengokwasesipilini ubuqaqawuli beNkosi, senziwa similise okwaloo mfanekiselo, sivela ebuqaqawulini sisinge ebuqaqawulini, kwanjengokuvela eNkosini enguMoya.

KwabaseKorinte II 4

Ukukhuthazwa kwentshumayelo elula

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ngenxa yoko, sínalo nje olu lungiselelo, sithi, njengoko senzelwe inceba, singethi mandla;

2sisuke sazilahla izinto ezifihlakeleyo eziziintloni, singahambi ngobuqhetseba, singalikhohlakalisi ilizwi likaThixo; sisuka ngokuyibonakalalisa inyaniso siziyaleze kuso sonke isazela sabantu emehlweni kaThixo.

3Ukuba ke zigqutyuthelwe iindaba ezilungileyo zethu, zigqutyuthelwe kwabo batshabalalayo;

4athe uthixo weli phakade wazimfamekisa ngaphakathi kwabo iingqiqo zabangakholwayo, ukuze singabengezeli kubo isikhanyiso seendaba ezilungileyo zobuqaqawuli bukaKristu, ongumfanekiselo kaThixo.

5Kuba asizivakalisi thina, sivakalisa uKristu Yesu ukuba uyiNkosi; sibe ke thina sizivakalisa ukuba singabakhonzi benu ngenxa kaYesu.

6Ngokuba nguThixo, yena wathi ukhanyiso malukhanye ebumnyameni, okhanyisele iintliziyo zethu, ukuze kukhanye ukwaziwa kobuqaqawuli bukaThixo ebusweni bukaYesu Kristu.

Ubuthathaka babapostile namandla kaThixo

7Ke kaloku obu butyebi sibuphethe ngezitya zodongwe, ukuze incamisa yamandla ibe yekaThixo, ingaphumi kuthi.

8Siyabandezelwa ngeenxa zonke, singaxineki; siyathingaza, singancami;

9Sitshutshiswa, asiyekelwa; sikhahlelwa phantsi, asitshatyalaliswa;

10sihlala sikuthwele ngomzimba ukufa kweNkosi uYesu ukuze nobomi bukaYesu bubonakalaliselwe emzimbeni wethu.

11Kuba thina badla ubomi simana sinikelwa ekufeni ngenxa kaYesu, ukuze nobomi bukaYesu bubonakalaliselwe enyameni yethu enokufa.

12Ngoko ke kusebenza ukufa kuthi, ke kuni kusebenzaubomi.

13Sínawo nje ke kwaloo moya wokholo, ngokoko kubhaliweyo kwathiwa, Ndakholwa, kungoko ndathethayo: nathi ke siyakholwa, kungoko sithethayo nokuthetha;

14sisazi ukuba lowo wayivusayo iNkosi uYesu, uya kusivusa nathi ngoYesu, asimise phambi kwakhe, ndawonye nani.

15Kuba konke oko kungenxa yenu, ukuze luthi ubabalo, lwakuba lwandile ngabona baninzi, luwuphuphumise umbulelo, use ekuzukiseni uThixo.

Umzuzwana weentlungu nozuko olungunaphakade

16Kungoko singethi mandla; kuba nokuba umntu wethu wangaphandle uya esonakala, usuka yena owangaphakathi aye ehlaziyeka imihla ngemihla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kuba ubukhaphukhaphu bembandezelo yethu eyeyomzuzwana busisebenzela ngokuncamise kwaphela ubuqaqawuli obukhulukazi obungunaphakade sakubon' ukuba asixuneli ezintweni ezibonwayo, sixunela kwezingabonwayo.

18Kuba ezibonwayo zezomzuzwana, ke zona ezingabonwayo zezonaphakade.

KwabaseKorinte II 5

1Kuba siyazi ukuba, xa ithe yachithwa indlu yethu esemhlabeni, engulo mnquba, sinesakhiwo esiphuma kuThixo, indlu yona emazulwini, engenakwenziwa ngazandla, engunaphakade.

2Kuba kuló siyancwina, silangazelela ukwambatha, saleke indlu yethu yasemazulwini;

3ukuba siya kufunyanwa sambethe okunene, singezé.

4Kuba kwathina aba bakulo mnquba siyancwina sisindwa, kungengakuba sithanda ukuhlutywa; kungokuba sithanda ukwambathiswa saleke, ukuze okunokufa kufincwe bubomi.

5Ke kaloku lo usisebenzele kwaloo nto nguThixo, osinike nokusinika isinyaniso sakhe uMoya.

6Ngoko ke sihlala somelele, sisazi ukuba, sikowethu nje emzimbeni, sikude kowethu eNkosini

7(kuba sihamba ngokholo, asihambi ngakubona);

8somelele ke, sikholisiwe nokukholiswa kanye kukuba kude nekhaya lethu elisemzimbeni, sibekho kwikhaya lethu eliseNkosini.

9Kungoko sizondelela ukuthi, nokuba sisekhaya, nokuba sikude nekhaya, sibe ngabakholekileyo kuyo.

10Kuba thina aba sonke simelwe kukuthi sibonakalaliswe phambi kwesihlalo sokugweba sikaKristu, ukuze elowo azuziswe okwenziwe ngomzimba, ngoko akwenzileyo, nokuba kokulungileyo, nokuba kokubi.

Uthando, injongo, namandla kaKristu

11Síkwazi njalo ke ukoyikeka kweNkosi, sizamela ukuba beyiseke abantu; síbonakalalisiwe ke kuThixo, ndiyathemba ke ukuba nakuzo izazela zenu sibonakalalisiwe.

12Kuba asibuyi siziyaleze kuni; sininika ithuba lokuzingca ngathi; ukuze nibe nalo ilizwi ngakwabo bazingcayo ngobuso, bengazingci ngantliziyo.

13Kuba, nokuba siyageza, kungenxa kaThixo; nokuba sinengqondo ephilileyo, kungenxa yenu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Kuba lusifingile nje uthando lukaKristu, sigqibe kwelokuthi, ukuba ufele bonke
emnye, ngoko bafile bonke abo;

15wabafela ke bonke, ukuze abo badla ubomi bangabi sazidlela ubomi, babudlele
owafayo wavuka ngenxa yabo.

Ubomi obutsha kuKristu

16Ngoko ke thina, sisusela kweli xesha, asisazi namanye ngokwenyama; nokuba ke
besimazi uKristu ngokwenyama, kungoku asisamazi ngokwenyama.

17Ngoko ke, ukuba ubani ukuKristu, usisidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani
ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe.

18Zonke izinto ke ziphuma kuThixo, owasixolelanisa naye ngokwakhe ngoYesu Kristu,
wasinika ulungiselelo loxolelaniso;

19olu ke lokokuba uThixo waye ekuKristu, elixolelanisa naye ngokwakhe ihlabathi,
engazibaleli kubo iziphoso zabo, walimisa kuthi ilizwi loxolelaniso.

Udaba loxolelaniso

20Sizizigidimi ke ngoko ngenxa kaKristu, ngokungathi uThixo uniyala ngathi;
siyanikhunga ngenxa kaKristu, manixolelaniswe naye uThixo;

21kuba lowo ungazani nasono, wamenza isono ngenxa yethu, ukuze thina sibe
bubulungisa bukaThixo kuye.

KwabaseKorinte II 6

1Sisebenzisana naye nje ke, siyaniyala, ukuba ubabalo lukaThixo ningàfumane
nilwamkele;

2kuba uthi, Ndakúva ngexesha elamkelekileyo, Ndakúsiza ngomhla wosindiso.
(UIsaya 49:8) Yabonani, lingoku ixesha elamkeleke kakuhle; yabonani, ungoku umhla
wosindiso:

3kungabikho namnye esimmisela isikhubekiso, nokuba kukuwuphi na umcimbi,
ukuze ulungiselelo lwethu lungabi nakubekwa bala;

4sisuka sithi emicimbini yonke siziqondakalise ngokwabalungiseleli bakaThixo,
ngokunyamezela okukhulu, sisezimbandezelweni, sisezingxakekweni,
sisezingxinanweni, sinemivumbo, sisezintolongweni,

5siseziphithiphithini, sibulaleka, singalali, sizila ukudla, sinobunyulu,

6sinokwazi, sinokuzeka kade umsindo, sinobubele, sinoMoya oyiNgcwele, sinothando
olungahanahanisiyo,

7sinelizwi lenyaniso, sinamandla kaThixo, sineentonga zobulungisa zasekunene
nezasekhohlo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

8sikuzuko nakwintswela-mbeko, sikudumo olubi nakudumo oluhle; ngathi singabalahlekisi, ukanti singabenyaniso;

9ngathi singabangaziwayo, ukanti singabaziwayo; ngathi singabafileyo, nanku sisidla ubomi; ngathi singababethwayo, singàbulawa noko;

10ngathi sibuhlungu, ukanti singabahlala bevuya; ngathi singamahlwempu, ukanti singabatyebisa abaninzi ke; ngathi singabangenanto, ukanti singabahlala benezinto zonke.

11Umlomo wethu uvulekile kuni, baseKorinte; intliziyo yethu yenziwe yabanzi.

12Anixinene kuthi, nixinene ezimfesaneni zenu.

13Umbuyekezo ke onjalo (ndithetha njengakubantwana bam), ndithi yibani banzi nani.

Isiyalo sokungavani nabangakholwayo

14Musani ukunxulumana nabolunye uhlobo, abangakholwayo ke; kuba kunakwabelana kuni na ubulungisa nokuchasa umthetho? Kunabudlelane buni na ke ukukhanya nobumnyama?

15Unakuvumelana kuní na ke uKristu noBheliyali? Unasahlulelwano siní na okholwayo nongakholwayo?

16Inakudibana kuní na ke itempile kaThixo nezithixo? Kuba nina niyitempile kaThixo ophilileyo; njengokuba watshoyo uThixo ukuthi, Ndiya kuhlala phakathi kwabo, ndihambe phakathi kwabo; ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam bona.

17Kungoko ndithi, Phumani phakathi kwabo, nizahlule, itsho iNkosi, Nento engcolileyo ningayichukumisi; (Ulsaya 52:11) Ndandiya kunamkela,

18Ndibe nguyihlo, Nina nibe ngoonyana neentombi kum; Itsho iNkosi uSomandla. (UYer. 31:1,9)

KwabaseKorinte II 7

1Sínawo nje ngoko la madinga, zintánda, masizihlambulule kuko konke ukudyobheka kwenyama nokomoya sibufeza ubungcwele, sisoyika uThixo.

Amaxhala nokomelezeka okuze ngoTito

2Samkeleni ngeentliziyo zenu; asonanga mntu, asonakalisang amntu, asiphanganga mntu.

3Anditsho ngakunigweba; kuba sendithe ngaphambili, nisezintliziyweni zethu ukuba sife nani, sidle ubomi nani.

4Ndinokungafihlisi okukhulu kuni, ndizingca kakhulu ngani; ndizele yintuthuzelo, ndiphuphuma uvuyo kakhulu kuyo yonke imbandezelo yethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Kuba sithé sakufika kwelaseMakedoni, ayaba nakuphumla nakanye inyama yethu;
sabandezelwa ngeenxa zonke, ngaphandle ikukulwa, ngaphakathi ikukoyika.

6Ke lowo ubathuthuzelayo abathobekileyo, uThixo ke, wasithuthuzela ngokufika
kukaTito;

7akwaba ngakufika kwakhe ke kuphela, kwaba ngayo intuthuzelo awathuthuzeleka
ngayo kuni, esityela ulangazelelo lwenu, isijwili senu, nokundizondelela kwenu,
ngokokude ndivuye ngakumbi.

8Kuba nakuba ndikhe ndanenza nabuhlungu ngencwadi leyo, andizohlwayi, nakuba
ndikhe ndazohlwaya; kuba ndiyabona ukuba loo ncwadi yanenza buhlungu, nàkuba
kwaba ngumzuzwana.

9Ngoku ke ndiyavuya, ndingavuyeli kuba neenziwa buhlungu, ndivuyela ukuba
nênziwa buhlungu ngokwasinga enguqukweni; kuba nênziwa buhlungu
ngokokukaThixo, ukuze ningalahlekwa nto ngathi.

10Kuba ubuhlungu obungokukaThixo busebenza inguquko esingisa elusindisweni,
ekungekho kuzohlwaya ngayo; ke kona okwehlabathi ukuba buhlungu kusebenza
ukufa.

11Kuba, yabonani, kwaoko kwenziwa kwenu buhlungu ngokukaThixo,
kwanisebenzela ukunyameka okungakanana; nasuka naziphendulela, nasuka
nacaphuka, nasuka noyika, nasuka nalangazelela, nasuka nazondelela, nasuka
naphindezela! Ngeendawo zonke niziqondakalisile, ukuba kulo mcimbi nimsulwa
nina okwenu.

12Ngoko ke, noko ndanibhalelayo, andikwenzanga oko ngenxa yalowo
wamonayo omnye, kanjalo andikwenzanga ngenxa yalowo woniwáyo; ndakwenzela
ukuze kubonakalaliswe kuni ukuninyamekela kwethu emehlweni kaThixo.

13Ngenxa yoko, sithuthuzelekile ngenxa yokuthuthuzeleka kwenu; sakuvuyela ke
ngokugqithiseleyo ngakumbi ukuvuya kukaTito; ngokuba waphunyuzwayo umoya
wakhe nini nonke.

14Ngokuba ukuqhayisa endaqhayisa ngako ngani, andidaniswanga ngako;
njengokuba sazithetha kuni izinto zonke sinyanisile, ngokunjalo nokuqhayisa kwethu
oko phambi koTito kwaba yinyaniso.

15Imfesane yakhe isenkulu ngakuni ngokugqithiseleyo, akukhumbula ukumva kwenu
nonke nokokuba namamkelayo ninokoyika nokugubha.

16Ndiyavuya ngoko, kuba ndomelezekile kuni ezintweni zonke.

KwabaseKorinte II 8

Inkongozelo yamahlwempu aseYerusalem

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ke kaloku, bazalwana, siyanazisa ubabalo lukaThixo oluhlakaziweyo phakathi kwamabandla akwelaseMakedoni;

2okokuba ekucikidweni kwawo okukhulu yimbandezelo, kuthe ukuphuphuma kovuyo lwawo, nobuhlwempu bawo obendeleyo, kwaphuphumela ekutyebiseni ukunyanisa kwawo.

3Ngokuba ndiyangqina ukuba bathe, ngokwamandla abo, ewe nangaphezu kwamandla, banikela ngokuqhutywa yintliziyo, besikhunga,

4besibongoza kakhulu, ukuba silwamkele ubabalo olo, ubudlelane ke obo bokulungiselela abangcwele.

5Abanelanga kwenza njengoko sathemba ngako; bathi kuqala bazinikela eNkosini, baza kamva bazinikela nakuthi ngokuthanda kukaThixo;

6ngokokude simyale uTito, ukuze athi, njengokuba ebeqalile, alufezele kuni ngokunjalo nolo lubabalo.

7Ke, kwanjengokuba niphuphuma iinto zonke, ukholo, nokuthetha, nokwazi, nokunyameka konke, nokusithanda kwenu, maniphuphume nakulo olu lubabalo.

Umzekelo kaYesu

8Anditsho ngakwammiselo; ukutsho, ndenziwa kukunyameka kwabanye, ndicikida nenyaniso yolwenu uthando;

9kuba niyalwazi ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu, okokuba yathi, ibisisityebi nje, yaba lihlwempu ngenxa yenu, ukuze nina nibe zizityebi ngobuhlwempu bayo obo.

10Ngale ndawo ke ndinipha okwam ukubona; kuba oko kunilungele nina aba nayiqalayo kwanyakenye le nto; ananela kuyenza, nayithanda nokuyithanda.

11Ngoku ke yenzeni niyifeze loo nto, ukuze, kwanjengokuba bekukho intumekelelo yokuthanda, kwangokunjalo kubekho nokuyifeza ngeninako.

12Kuba intumekelelo, ukuba selikho, yamkeleka kakuhle ngokoko asukuba enako umntu, kungabi ngokoko angenako.

13Kuba andithi mabaphumle abanye, nibandezeleke nina;

14ndithi, ukuze kubekho ukulingana ngexesha lakalokunje, ukuphuphuma kwenu makufikelele ekusileleni kwabo; ukuze nokuphuphuma kwabo kufikelele ekusileleni kwenu, ukuze ke kubekho ukulingana;

15njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Owabutha kakhulu akabanga nakusalelayo; nowabutha kancinane akabanga nakusilela.

Ukuthunywa kukaTito nabanye

16Makubulelwe ke kuThixo, ongenise kwaoko kuninyamekela entliziyweni kaTito.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ngokuba wasamkela okunene isiyalo; ke uthe, enyameke okunye, waphuma
ngokuqhutywa yintliziyo, waya kuni.

18Sathuma ke kunye naye umzalwana odume phakathi kwawo onke amabandla,
ngokuvakalisa iindaba ezilungileyo.

19Asikuphela ke oko; wanyulwa nokunyulwa ngawo amabandla, ukuba abe
ngohamba nathi, nalo olu lubabalo lulungiselelwayo sithi, ukuze izukiswe iNkosi, nibe
nokuthumekelela nina:

20sílumkele oku, ukuba kungabikho mntu usibeka bala kule nyambalala yeminikelo
ilungiselelwayo sithi;

21sikhathalele izinto ezintle, kungekhona emehlweni eNkosi yodwa,
kukwanasemehlweni abantu.

22Sithumé ke kunye nabo umzalwana wethu, esimcikide futhi ngeendawo
ezininzi, samfumana ekhuthele; kokukhona akhuthele kakhulu, ekholose kakhulu
ngani.

23Nokuba kuthethwa ntoni ngoTito, yazini ukuba ulidlelane nam, nomsebenzisi wam
kuni; nokuba kuthethwa ngabazalwana bethu, yazini ukuba bangabathunywa
bamabandla kaThixo, baluzuko lukaKristu.

24Lo mbonakalaliso ngoko wothando lwenu, nowokuzingca kwethu ngani,
wubonakalaliseni kubo, naphambi kwamabandla.

KwabaseKorinte II 9

1Kuba okunene ngako ukulungiselela abangcwele, akufuneki kona ukuba
ndinibhalele.

2Kuba ndiyakwazi ukuthumekelela kwenu, endiqhayisa ngako ngani
kwabelaseMakedoni, ndisithi elaseAkaya beliselilunge kwanyakenye; nokuzondelela
kwenu kwaxhokonxa abona baninzi.

3Ke kaloku ndithume abazalwana, ukuze iqhayiya lethu elingáni lingalanjathiswa
ngale ndawo; ukuze nithi, njengokuba benditshilo, nibe senilungile;

4hleze kuthi, ukuba bathe bafika nam abelaseMakedoni, banifumana ningekalungi,
sidaniswe thina (ukuba asingethi, kudane nina) koko kukholosa kokuqhayisa.

5Ngoko ndaba kuyafuneka ukubavuselela abazalwana, ukuba basandulele ukuya
kuni, bayilungise ngaphambili intsikelelo yenu ebiselixeliwe ngaphambili; ilunge yona
ngohlobo lwentsikelelo, ingangi yeyokuvimba.

Indlela yokunikela

6Qondani ke le nto: Lowo uhlwayela ngokuvimba wovuna kwangokuvimba; nalowo
uhlwayela ngesisa wovuna kwangesisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Elowo makanike njengoko agqibe ngako entliziyweni; makungabi kokuphuma kabuhlungu, nangokunyanzelwa; kuba uThixo uthanda umphi ochwayithileyo.

8Unako ke uThixo ukuphuphumisela kuni ubabalo lonke, ukuze nithi, nihlala ninako nje ukwanela konke ngeendawo zonke, niphuphumele emsebenzini wonke olungileyo;

9njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Wasasaza, wapha abasweleyo; Ubulungisa bakhe buhleli ngonaphakade. (INdum. 112:9)

10Wanga ke angathi, ompha imbewu umhlwayeli, nesonka sokudliwa, aniphe ayandise imbewu yenu, ahlumise isiqhamo sobulungisa benu;

11nithi ngeendawo zonke nityetyiselwe ekunyaniseni konke, kona kusebenzayo ngathi umbulelo kuThixo.

12Ngokuba ulungiselelo lwaló mbuso alwaneli kuzalisela iintsilelo zabangcwele; lusuka kananjalo luphuphume imibulelo emininzi kuye uThixo;

13besithi nje, ngako ukucikideka kolo lulungiselelo, bamzukise uThixo ngenxa yokulululamela kwenu uvumo lwenu ngokusingisele kwiindaba ezilungileyo zikaKristu, nangenxa yokunyanisa kokudlelana kwenu ngokusingisele kubo nakubantu bonke;

14bakubon' ukuba nabo bayanilangazelela, benikhungela ngenxa yobabalo lukaThixo oluncamisileyo kuni aba.

15Makubulelwe ke kuThixo ngenxa yesipho sakhe singenambali.

KwabaseKorinte II 10

UPawulos ilizwi lakhe ulenze lanobuganga langa lelikaThixo

1Ke kaloku ndiyaniyala ngabo ubulali nokuthantamisa kukaKristu, mna Pawulos ngokwam, ndingothobekileyo kambe ngembonakalo, xa ndiphakathi kwenu, kodwa ndakuba ndingekho ndiba nobugagu kuni:

2ndiyakhunga ke, ukuze ndingàthi, ndakuba ndikho, ndibe nobugagu ngoko kukholosa, ndibe ndoba nobuganga ngako kubo abathile, ababa sihamba ngokwenyama.

3Kuba noko sihamba sisenyameni, asiphumi mkhosi ngokwenyama;

4kuba zona iintonga esiphuma ngazo umkhosi, azizenzenyama; kuye uThixo zinamandla okuwisa iinqaba;

5siwisa ngazo nje amabhongo, nayo yonke into ephakamileyo, eziphakamisayo ngokuchasa ukwazi uThixo; iingqiqo zonke sízithimbela ekumlulameleni uKristu;

6sízilungiséle ukuphindezela konke ukungamlulameli, xa kuthe kwazaliseka okwenu ukumlulamela.

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Izinto nizikhangela ngokwembonakalo na? Ukuba umntu ukholose ngokuthi
ungokaKristu, makabuye acinge oku ngokwakhe, ukuba njengokuba engokaKristu
yena, ngokunjalo singabakaKristu nathi.

8Kuba, naxa bendingathi ndigqithisele ukuqhayisa ngalo igunya lethu, esalinikwayo
yiNkosi ukuba sinakhe, singanichithi, bendingedaniyo;

9nditsho ukuze ndingangi ndifuna ukunoyikisa ngazo iincwadi ezi;

10ngokuba kuthiwa, Iincwadi ezi zakhe okunene zinzima, zinamandla; kodwa ke
akùbakho ngenkqu akanamandla, nokuthetha kwakhe akunto yanto.

11Onjalo ke makacinge le nto: njengoko sinjalo ngako ukuthetha ngeencwadi, sakuba
singekho, sikwanjalo ngawo umsebenzi, sakuba sikho.

12Kuba asinabuganga bakuzibalela nakuzifanisa nabo abathile abaziyalezayo; bona
àbanangqondo, bezilinganisela nje kwakubo ngokwabo, bezifanisa nje nabo
ngokwabo.

13Ke thina asisayi kuqhayisa sigqithise emlinganiselweni; soqhayisa
ngokomlinganiselo womda esiwabelwe nguThixo, ukuba ube ngumlinganiselo oya
kufikelela nakuni.

14Kuba asizoluli ngokugqithiseleyo, ngathi asifikeleli kuni; kuba sesafikelelayo nakuni
sineendaba ezilungileyo zikaKristu.

15Asiqhayisi sigqithise emlinganiselweni ngokubulaleka kwabanye; ke sinethemba,
ukuba lwakukhula ukholo lwenu, siya kwenziwa bakhulu phakathi kwenu ngokomda
wethu, sigqithisele,

16side sizishumayele iindaba ezilungileyo ezindaweni ezingaphaya kwenu;
singaqhayisi ngesilinganiselo somnye, ngezinto ke esezilungisiwe.

17Oqhayisayo ke, makaqhayise ngeNkosi.

18Kuba oyena ucikidekileyo asingoziyalezayo, ngoyalezwa yiNkosi.

KwabaseKorinte II 11

Ilungelo likaPawulos engumpostile

1Akwaba ningandinyamezela kancinane ekusweleni kuqonda kwam! Kodwa noko
niyandinyamezela.

2Kuba ndiyanikhweletela ngekhwele likaThixo; kuba ndanendisa ndodeni-nye, ukuze
ndinimise phambi koKristu niyintombi enyulu.

3Ndiyoyika ke, hleze kuthi, njengokuba inyoka yamlukuhlayo uEva ngobuqhetseba
bayo, zonakaliswe ngokunjalo nani iingqiqo zenu, zimke ekunyaniseni kuye uKristu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Kuba kaloku, xa lowo uzayo avakalisa omnye uYesu, esingamvakalisanga thina,
nokuba namkela moya wumbi enaningamkelanga wona, nokuba ziindaba
ezilungileyo ezizimbi enaningamkelanga zona, beningaba kambe niyatyapha
ukumnyamezela.

5Kuba ndiba andisilele nganto kwabona bapostile baziincamisa.

6Nakuba ke ndiliyilo ngentetho, andinjalo ngokwazi; sabonakala kuni phakathi kwabo
bonke ngeendawo zonke.

7Ndenza isono na ngokuzithoba, ukuze niphakanyiswe nina, ngokuba
ndanishumayezayo ngesisa iindaba ezilungileyo zikaThixo?

8Amanye amabandla kaThixo ndawabhunyula, ndisamkela umvuzo ukuze
ndilungiselele nina.

9Kanjalo xa ndandikho kuni, ndiswele, andibanga mthwalo mntwini; kuba ukuswela
kwam bakwenzelela abazalwana, bakùvela kwelaseMakedoni; ndathi ngeendawo
zonke ndazigcina, andaba bunzima kuni, ndisaya kuzigcina nangoku.

10Ikum nje inyaniso kaKristu, ndithi olo luqhayiso aluyi kuvingcwa mlomo mayela
nam, mna, kwimimandla yelaseAkaya.

11Ngani na ke? Ngokuba ndingànithandi na? Hayi, uThixo uyazi.

12Endikwenzayo ke ndiya kukwenza, ukuze ndibahluthe ithuba lokujinda abafuna
ithuba; ukuze entweni abaqhayisa ngayo, bafunyanwe bekwanjengathi.

13Kuba abo banjalo ngabapostile ababuxoki, ngabasebenzi abakhohlisayo, bezimilisa
okwabapostile bakaKristu.

14Ke àkummangaliso oko, kuba noSathana ngokwakhe uzimilisa okwesithunywa
sokukhanya.

15Akunto inkulu ke ngoko, ukuba abalungiseleli bakhe bazimilise okwabalungiseleli
bobulungisa; abasiphelo siya kuba ngokwemisebenzi yabo.

Ukuthelekisa uPawulos neentshaba zakhe

16Ndibuya ndithi, Makungabikho mntu uba ndingoswele ukuqonda; okanye ke
kambe, ndamkeleni njengoswele ukuqonda, ukuze ke ndiqhayise kancinane nam.

17Oku ndikuthethayo, andikuthethi ngokweNkosi; ndikuthetha ngokoswele
ukuqonda, ndinoko kukholosa koqhayiso.

18Ekubeni bebaninzi ke abaqhayisa ngokwenyama, ndoqhayisa nam.

19Kuba niyabanyamezela ngovuyo abaswele ukuqonda, niziingqondi nje nina.

20Kuba kaloku niyanyamezela, ukuba umntu unenza amakhoboka, ukuba umntu
uyanidla, ukuba umntu uyanibambisa, ukuba umntu uyaziphakamisa, ukuba umntu
uyanibetha ebusweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Ndithi, ndízihlaza, ngathi sasiswele amandla thina. Entweni ke asukuba umntu enobuganga (ndithetha ndinokuswela ukuqonda), ndinobuganga nam.

Iingozi neenzima zikaPawulos

22BangamaHebhere na? Ndinguye nam. BangamaSirayeli na? Ndinguye nam. Bayimbewu ka-Abraham na? Ndiyiyo nam.

23Bangabalungiseleli bakaKristu na? (Ndithetha nxamnye nengqondo.) Ndithi ndingongaphezulu mna, ngokubulaleka okugqithiseleyo, ngemivumbo egqithe emgceni, ngokuba sezintolongweni ngokugqithiseleyo, ngokuba sekufeni futhi.

24KumaYuda ndazuza kahlanu imivumbo emashumi mané kwaphuké mnye.

25Kukathathu ndibethwa ngeentswazi, okunye ndaxulutywa ngamatye, ndaphukelwa ngumkhombe kathathu, ndenzé ubusuku nemini enzulwini;

26ndithi ndingongaphezulu ngokuhamba okufuthi, ngeengozi zemilambo, ngeengozi zezihange, ngeengozi zamakowethu, ngeengozi zeentlanga, ngeengozi phakathi komzi, ngeengozi entlango, ngeengozi elwandle, ngeengozi phakathi kwabazalwana ababuxoki;

27ngokubulaleka nangemigu, ngokungabi nakulala okufuthi, ngokulamba nokunxanwa, ngokuzila ukudla okufuthi, ngengqele nobuzé.

28Ndingasazibali zona izinto ezingaphandle kwezo, ndingungélwe imihla ngemihla kukuwaxhalela onke amabandla kaThixo.

29Ngubani na okha aswele amandla, ndingasweli mandla nam? Ngubani na okha akhutyekiswe, ndingatshiseki mna?

30Ukuba ndimelwe kukuqhayisa, ndoqhayisa ngezinto zokuswela amandla kwam.

31UThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu, ongowokubongwa ngonaphakade, uyazi ukuba andixoki.

32EDamasko umphathi-luhlanga ka-Areta, ukumkani, wayewulinda umzi waseDamasko, efuna ukundibamba;

33ndaza ngekroba ndathotywa ngomnyazi eludongeni, ndasinda ezandleni zakhe.

KwabaseKorinte II 12

Imibono kaPawulos; uviko enyameni

1Ukuqhayisa okunene akundilungele; kuba ndiza kuza kwimibono nezityhilelo zeNkosi.

2Ndazi umntu okuKristu, ekusekuyiminyaka elishumi elinaminé (nokuba ubesemzimbeni na andazi, nokuba ubengekho na emzimbeni, andazi; kwaziwa nguThixo), ethe lowo waxwilwa, wada wasiwa nakwelesithathu izulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ndiyamazi ke umntu onjalo (nokuba ubesemzimbeni na, nokuba ubengekho na emzimbeni, andazi; kwaziwa nguThixo),

4okokuba waxwilwa wasiwa eParadisi, weva amazwi angenakuthethwa, ekungavumelekileyo ukuba umntu awathethe.

5Onjalo ke ndiya kuqhayisa ngaye, kodwa andiyi kuqhayisa ngokwam nganto ikum; ingaba kungokuswela kwam amandla kodwa.

6Kuba xa bendingáthi ndithande ukuqhayisa, bendingayi kuba ndiswele ukuqonda, kuba bendiya kuba ndithetha inyaniso; kodwa ndiyayeka, ukuze kungabikho bani ucinga ngam ngaphezu koko abona ndikuko, athi mhlawumbi akuve kum.

7Kwathi, ukuze ndingaziphakamisi ngokungaphezulu ngenxa yezityhilelo eziyincamisa, ndanikwa uviko enyameni, isithunywa sikaSathana, ukuze sindintlithe, ukuze ndingaziphakamisi ngokungaphezulu.

8Ndayibongoza kathathu iNkosi ngaso isithunywa eso, ukuba sisuke kum.

9Ithe yona kum, Ubabalo lwam lukwanele; kuba amandla am azalisekiswa ekuswelekeni kwamandla. Ngoko kokukhona sendiya kuqhayisa kamnandi kakhulu ngokuswela kwam amandla, ukuze ahlale phezu kwam amandla kaKristu.

10Kungoko ndikholisiweyo kukuswela amandla, kukuphathwa kakubi, ziingxakeko, ziintshutshiso, ziingxinano, ngenxa kaKristu; kuba xa sukuba ndiswele amandla, kuxa ndinamandla.

UPawulos ucacisa ukuziqhayisa kwakhe

11Sendisuke ndaba ngoswele ukuqonda ngokuqhayisa; ndinyanzelwe nini. Kuba mna ndibe ndifanele ukuyalezwa nini; kuba andisilelanga nganto kubapostile abo baziincamisa, nakuba ndingento yanto.

12Imiqondiso yokuba ngumpostile, inene, yasetyenzwa phakathi kwenu ngokunyamezela konke, ngemiqondiso, nezimanga, nemisebenzi yamandla.

13Kuba yintoni na enasilela ngayo kwamanye amabandla kaThixo, ingekukuba mna ngokwam ndingabanga mthwalo kuni? Ndixoleleni oko kungalungisi.

14Yabonani, sendilungele ukuza kuni okwesithathu; ndaye ndingayi kuba mthwalo kuni; kuba andifuni zinto zenu, ndifuna nina. Kuba asingabantwana abafanele ukuqwebela abazali, ngabazali abafanele ukuqwebela abantwana.

15Mna ke, kuya kuba mnandi kakhulu ukuba ndichithe, ndidleke kuphele, ngenxa yemiphefumlo yenu; nakuba okukhona ndinithandayo kakhulu, kokukhona ndithandwa kancinane.

16Kungade kube kunjalo, mna kambe andibanga mthwalo kuni; mandibe, ndinobuqhetseba nje, ndisuké ndanibambisa ngenkohliso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kukho mntu na ke kwabo ndabathumayo kuni, endanidlayo ngaye?

18Ndamyala uTito, ndathuma umzalwana lowo kunye naye. Wanidla na ke uTito? Asihambanga moyeni mnye, yini na? Asihambanga mkhondo mnye, yini na?

19Niyawaseniba siyaziphendulela kusini na kuni? Sithetha phambi kukaThixo, sikuKristu; sizithetha zonke ke izinto ezo, zintánda, ngenxa yokwakheka kwenu.

20Kuba ndiyoyika, hleze ndithi ndakufika, ndinifumane ningènjengendikuthandayo, nam ndifunyanwe nini ndingènjengenikuthandayo; hleze kubekho iinkani, amakhwele, imisindo, amayelenqe, iintlebendwane, iintsebezo, iinkukhumalo, iziphithiphithi;

21hleze ndithi, ndakufika kunjalo, andíthobe uThixo wam phakathi kwenu, ndize ndikhedame ngenxa yabaninzi ababesebonile, àbaguquka ekungcoleni, nasembulweni, naseburheletyweni ababenzáyo.

KwabaseKorinte II 13

Iziyalo zotyelelo oluzayo

1Oku kokwesithathu ndisiza kuni. Onke amazwi aya kumiswa ngomlomo wamangqina amabini, nokuba mathathu.

2Sendixele kade, ndixela ngenxa engaphambili, njengoko ndandikho okwesibini, nanjengoku ndingekhoyo ngoku, ndibaxelela abo boné kade, nabanye bonke, okokuba xa ndithe ndabuya ndafika, andiyi kubaconga;

3ekubeni nifuna isiganeko sokuthetha kukaKristu phakathi kwam, ongaswele amandla ngokusingisele kuni, onamandla phakathi kwenu.

4Kuba, nakuba wabethelelwayo emnqamlezweni ngokwasekusweleni amandla, udla ubomi ngokwasemandleni kaThixo. Kuba nathi siswele amandla kuye, noko siya kudla ubomi naye ngokwasemandleni kaThixo, ngokubhekisele kuni.

5Zilingeni, ukuba niselukholweni olu na; zicikideni ngokwenu. Okanye anizazi na ukuba uYesu Kristu ungaphakathi kwenu? ukuba okunene aningabo abo bangenakucikideka.

6Ndiyathemba ke ukuba niyakwazi, ukuba asingabo abo bangenakucikideka thina.

7Ndithandaza ke kuye uThixo, ukuba ningenzi nanye into embi; kungekuko ukuze sibonakale sicikidekile thina, ikukuze nenze into entle nina, ke thina sibe njengabangenakucikideka.

8Kuba asinakwenza nto ngokuchasa inyaniso; sinokwenzela inyaniso.

9Kuba siyavuya, xa sukuba singenamandla thina, nibe nina ninamandla; sithandazela nokuthandazela oku ke, ukuba nigqibelele ukulunga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Ngenxa yoko ndibhala ezi zinto ndingekho, ukuze ndingàthi, ndakuba ndikho,
ndenze kabukhali ngokwegunya, endalinikwa yiNkosi ukuba libe lelokwakha, lingabi
lelokuchitha.

Isiphelo

11Elokugqiba, bazalwana, ndithi, Vuyani, zilungiseni nigqibelele, thuthuzelekani,
cingani nto-nye, zolani; wothi ke uThixo wothando noxolo abe nani.

12Bulisanani ngolwango olungcwele.

13Bayanibulisa bonke abangcwele aba.

14Ubabalo lweNkosi uYesu Kristu, nothando lukaThixo, nodlelano loMoya
oyiNgcwele, malube nani nonke. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KumaGalati

KumaGalati 1

Umbuliso

1UPawulos, umpostile (ongavele bantwini, kanjalo kungengamntu; kungaye uYesu
Kristu, noThixo uYise, owamvusayo kwabafileyo),

2kwanabazalwana aba bonke banam, uthi kuwo amabandla kaThixoakwelaseGalati:

3Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uYise, neNkosi yethu uYesu Kristu;

4owazinikelayo ngenxa yezono zethu, ukuze asinyothule kwiphakade eli langoku
lingendawo, ngokokuthanda kukaThixo uBawo wethu.

5Kuye makubekho uzuko, kude kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

Ukudaniswa kukaPawulos ngamaGalati

6Ndimangalisiwe kukuba niphambuke kamsinya kangaka kulowo wanibizayo
ngobabalo lukaKristu, niye kwiindaba ezilungileyo ezizimbi;

7ezingezizo nokuba zizo ezinye; koko kukho bathile banikhathazayo, bathandayo
ukuzigqwetha iindaba ezilungileyo zikaKristu.

8Ke, nokokuba sisuke thina aba, nokokuba sisuke isithunywa sasezulwini
sanishumayeza iindaba ezilungileyo ezinxamnye nezo sanishumayezayo,
masisingelwe phantsi.

9Njengokuba besesitshilo, ndiyaphinda, ndithi nangoku, Ukuba ubani unishumayeza
iindaba ezilungileyo ezinxamnye nezo nazamkelayo, makasingelwe phantsi.

10Kuba ngoku ndithomalalisa abantu, ndithomalalisa uThixo, kusini na? Ndifuna
ukukholisa abantu na? Ukuba ndingaba ndisakholisa abantu, ndingaba
andingumkhonzi kaKristu.

Iindaba ezilungileyo zeza kuPawulos zivela kuKristu, zingaveli bantwini

11Ke kaloku, ndiyanazisa, bazalwana, ukuba azingokomntu iindaba ezilungileyo ezi,
zashunyayelwayo ndim;

12kuba nam lo andizamkelanga mntwini, andizifundiswanga nokuzifundiswa;
ndazamkela ngokutyhilelwa nguYesu Kristu.

13Kuba nayiva eyam ihambo eyayifudula isebuYudeni, ukuba ndaye ndilitshutshisa
ndilibhuqa ibandla likaThixo ngokuncamisileyo;

14ndaye ndihambela phambili ebuYudeni, ngaphezu kwabaninzi ababeziintanga zam
eluhlangeni lwakowethu, ndizizondelele ngokugqithiseleyo izithethe zoomawokhulu.

15Ke, xenikweni kwakholekayo kuThixo, owandahlulayo kwasesizalweni sikama,
wandibiza ngalo ubabalo lwakhe,

© 1975 Bible Society of South Africa.

16ukuba amtyhile uNyana wakhe ngaphakathi kwam, ukuze ndimshumayele
ngeendaba ezilungileyo phakathi kweentlanga: kwaoko andibhekisanga nto
kwinyama negazi.

17Andinyukanga nokunyuka ndiye eYerusalem, kubo ababengabapostile ngaphambi
kwam; ndesuka ndaya kwelaseArabhi, ndaza ndabuyela eDamasko.

18Ndandula ndathi, emva kweminyaka emithathu, ndenyuka ndaya eYerusalem,
ukuba ndazane noPetros; ndahlala naye iintsuku ezilishumi elinantlanu.

19Andibonanga wumbi ke kubapostile, yaba nguYakobi, umzalwana weNkosi, yedwa.

20Izinto ke endinibhalela zona, yabonani, ndithetha emehlweni kaThixo, andixoki.

21Emva koko ndeza kwimimandla yelaseSiriya nelaseKilikiya;

22ndaye ke ndingàziwa ngesiqu ngawo amabandla akwelamaYuda, akuKristu;

23banela ukuva kwakuphela ukuba, Lowo wayefudula esitshutshisa, ngoku
ushumayela iindaba ezilungileyo zokholo abefudula elubhuqa.

24Bamzukisa uThixo ngam.

KumaGalati 2

Umsebenzi kaPawulos wokuthunywa wamkelekile eYerusalem

1Ndaza emva kweminyaka elishumi elinaminé, ndabuya ndenyuka ndaya eYerusalem
ndinoBharnabhas, ndathabatha noTito.

2Ndenyuka ke ngokwesityhilelo, ndazandlala phambi kwabo iindaba ezilungileyo
endizivakalisayo phakathi kweentlanga; ndazandlala ke phambi kwabo badumileyo
bebodwa, hleze ndibe ndifumana ndibaleka, mhlawumbi ndibe ndafumana
ndabaleka.

3NoTito lo, ubenam, nangona ebengumGrike, akanyanzelwanga ukuba alùke:

4ngenxa ke yabazalwana ababuxoki, abangeniswáyo bucala, bona bangena
ngokunyebeleza, besiza kuhlola inkululeko yethu esinayo kuKristu Yesu, ukuze
basithobele ebukhobokeni.

5Esathi abo asabavumela ngolulamo nokwexa elinye, ukuze inyaniso yeendaba
ezilungileyo ihlale ihleli kuni.

6Ke aba badumele ukuba bayinto, nokuba babefudula benjani, akunto oko kum;
uThixo akakhethi buso bamntu. Kuba aba bàbedume ngobuntó ababhekisanga nto
kum.

7Basuka bathi kanye, bakubona ukuba ndiziphathisiwe iindaba ezilungileyo
kwabangalukileyo, njengokuba uPetros ebeziphathisiwe kwabolwaluko

© 1975 Bible Society of South Africa.

8(kuba kwalowo wamsebenzelayo uPetros ngokusingisele kubo ubupostile babolwaluko, wandisebenzela nam ngokusingisele kwiintlanga);

9kananjalo bakulwazi ubabalo endababalwa ngalo: bathi ooYakobi noKefas noYohane, abo ke babedume ukuba baziintsika, basinika thina noBharnabhas izandla zokunene zobudlelane, ukuze siye thina kwiintlanga;

10bona ke baye kwabolwaluko; bathi, maze siwakhumbule amahlwempu; into ke leyo endandiyikhuthalela ukuyenza.

UPawulos uthethisa uPetros

11Ke kaloku, xenikweni uPetros wafikayo kwa-Antiyokwe, ndamelana naye ngokusekuhleni, ngokuba ube engogwetyiweyo.

12Kuba phambi kokuba kufike abathile bevela kuYakobi, wadla ndawonye nabeentlanga; ke wathi bakufika, wesuka wanqwanqwa, wazahlula kubo, esoyika abo bolwaluko.

13Ke ahanahanisa njengaye namanye amaYuda; wada noBharnabhas wakhukuliswa luhanahaniso lwawo.

14Xenikweni ke ndabonayo ukuba àbathe ngqo ukuhamba enyanisweni yeendaba ezilungileyo, ndathi kuPetros phambi kwabo bonke, Ukuba wena, ungumYuda nje, uhleli ngokwabeentlanga, ungahlali ngokobuYuda, yini na ukuba ubanyanzele abeentlanga ukuba bahlale ngokobuYuda?

Ukusilela komthetho

15Thina, síngamaYuda ngemvelo, asingaboni abavela kwiintlanga,

16sisazi nje ukuba akagwetyelwa umntu ngokwasemisebenzini yomthetho, kuphela kungokukholwa kuYesu Kristu: sithe ke nathi aba sakholwa kuKristu Yesu, ukuze sigwetyelwe ngokwasekukholweni kuKristu, kungabi ngokwasemisebenzini yomthetho; ngokokuba akuyi kugwetyelwa mntu ngokwasemisebenzini yomthetho.

17Ke ukuba, sífuna nje ukugwetyelwa ngoKristu, sìfunyanwa singaboni nathi ngokwethu, ndiyabuza ndithi, uKristu ungumlungiseleli wesono na ke ngoko?

18Nakanye! Kuba, ukuba izinto endazichithayo, ndibuya ndakhe zona, ndiyaziqondakalisa ngokwam ukuba ndingumgqithi.

19Kuba mna ngomthetho ndafa kumthetho, ukuze ubomi ndibudlele kuThixo.

20Ndìbethelelwe emnqamlezweni noKristu; ayisendim ke odla ubomi, nguKristu ke oselesidla ubomi kum. Ubomi ke endibudlayo ngoku, ndisenyameni, ndibudlela ekukholweni kuNyana kaThixo, owandithandayo, wazinikela ngenxa yam.

21Andilutshitshisi ubabalo lukaThixo; kuba, ukuba bungomthetho ubulungisa, oko uKristu angaba wafumana wafa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KumaGalati 3

Imbangi yokwamkeleka kuThixo lukholo, asimthetho

1Ehlani, maGalati aswele ukuqonda! Ngubani na oninyangileyo, ukuba
ningayithambeli nje inyaniso, ebethe nje phambi kwamehlo enu uYesu Kristu
wabhalwa, wabhegezwa phakathi kwenu, ebethelelwe emnqamlezweni?

2Ndithanda ukukha ndiqonde kuni le ndawo yodwa: Namamkela uMoya
emisebenzini yomthetho, namamkela ezindabeni zokholo, kusini na?

3Ninje na ukuswela ukuqonda? Nakuba niqale kuMoya, ngoku nigqibela kwinyama
na?

4Izinto ezinzima kangaka nafumana naziva na? ukuba kanti benifumana nisenza.

5Lowo ngoko ùniphayo uMoya, ùsebenza imisebenzi yamandla kuni, úkwenza
oko ngokwasemisebenzini yomthetho, úkwenzangokwasezindabeni zokholo, kusini
na?

6njengokuba uAbraham wakholwayo nguThixo, kwaza oko kwabalelwa ebulungiseni
kuye.

7Yazini ngoko ukuba ábaselukholweni, ngabo abo abangoonyana baka-Abraham.

8Isibhalo, síbona ke ngenxa engaphambili ukuba uThixo uyazigwebela iintlanga
ngokwaselukholweni, sazishumayela ngenxa engaphambili iindaba ezilungileyo
kuAbraham, sisithi, Ziya kusikelelelwa kuwe zonke iintlanga.

9Ngoko ke ábaselukholweni bayasikelelwa ndawonye noAbraham okholwayo.

10Kuba bonke abangabasemisebenzini yomthetho, baphantsi kwesiqalekiso; kuba
kubhaliwe kwathiwa, Baqalekisiwe bonke abangahlaliyo ezintweni zonke
ezibhaliweyo encwadini yomthetho, ukuba bazenze.

11Okokuba ke akukho namnye ugwetyelwayo ngomthetho kuye uThixo,
kuyabonakala; ngokuba lowo ùlilungisa, uya kudla ubomi obuphuma elukholweni.

12Wona ke umthetho asingowaselukholweni; úthi, Umntu owazenzayo ezo zinto uya
kudla ubomi ngazo.

13UKristu wasithenga, wasikhulula esiqalekisweni somthetho, ngokwenziwa
isiqalekiso ngenxa yethu (kuba kubhaliwe kwathiwa, Uqalekisiwe wonke umntu
oxhonywe emthini);

14ukuze intsikelelo ka-Abraham ibe sezintlangeni ngoKristu Yesu, ukuze idinga
loMoya silamkele ngalo ukholo.

15Bazalwana, ndithetha ngokwabantu: kwanowomntu umnqophiso ozinzisiweyo,
akukho namnye uwutshitshisayo, athi mhlawumbi ongeze kuwo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Enziwa ke kuye uAbraham amadinga, nakuyo imbewu yakhe. Akathi, nakuzo
iimbewu, ngathi uthetha ezininzi; usuka ngathi uthetha nye, athi, Nakuyo imbewu
yakho: nguKristu ke lowo.

17Ukutsho ke ndithi, Umnqophiso ozinzisiweyo ngenxa engaphambili nguThixo,
usingisele kuKristu, awunakuphangwa igunya ngumthetho, owabakhoyo emva
kweminyaka engamakhulu omané anamanci mathathu, ukuze ulibhangise idinga elo.

18Kuba ilifa elo, ukuba liphuma emthethweni, loba alisaphumi edingeni; ke yena
uThixo umbabale uAbraham ngedinga.

Injongo yomthetho

19Uyintoni na ngoko umthetho? Walekelwa ngenxa yezigqitho, ukude ifike imbewu
leyo yayibekwe ngedinga; wamiswa ngezithunywa zezulu, sisandla somlamleli.

20Ke umlamleli akamnye; uThixo ke yena mnye.

21Umthetho ngoko uchasene na namadinga kaThixo? Nakanye! Kuba, ukuba
bekuwiswe umthetho onako ukudlisa ubomi, kuhleliwe nje, ngebuphume
emthethweni lowo ubulungisa.

22Ke sona isibhalo sisuke sazivalela ndawonye izinto zonke phantsi kwesono, ukuze
idinga eliphuma ekukholweni kuYesu Kristu linikwe abakholwayo.

23Ngaphambi ke kokufika kokholo, sasilindwa, siphantsi komthetho, sivalelwe
ndawonye kude kufike ukholo olu, lube luza kutyhilwa.

24Ngoko ke umthetho waba ngosikhaphela kuKristu, ukuze sigwetyelwe
ngokwaselukholweni.

Isiphumo sokholo

25Lwakuba lufikile ke ukholo, asibi saba phantsi kwamkhapheli.

26Kuba nina nonke ningoonyana bakaThixo ngako ukukholwa, nikuKristu Yesu;

27kuba nina nonke, nàbhaptizelwayo kuKristu, námambatha uKristu.

28Akusekho mYuda namGrike; akusekho khoboka nakhululekileyo; akusekho ndoda
nankazana; kuba nina nonke nimntu mnye, nikuKristu Yesu.

29Ukuba ke nina ningabakaKristu, niyimbewu ka-Abraham ngoko, neendlalifa
ngokwedinga.

KumaGalati 4

Ubunyana kuThixo ngokukholwa kuKristu

1Ndithi ke, indlalifa, ngexesha lonke engumntwana, ayahluke nganto kumkhonzi,
nakuba iyinkosi yeento zonke;

2iphantsi kwabagcini namagosa, kude kufike ixesha elimiswe ngaphambili nguyise.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Ngokunjalo nathi, xenikweni besingabantwana, besingamakhoboka aphantsi kweziqalelo zehlabathi.

4Lithe ke lakuzaliseka ixesha, uThixo wamkhupha weza uNyana wakhe, othe wazalwa ngumntu oyinkazana; ethe wazalelwa phantsi komthetho,

5ukuze abakhulule ngokubathenga abaphantsi komthetho, ukuze sikuzuze ukwenziwa oonyana.

6Ngokuba ke ningoonyana, uThixo wamkhupha uMoya woNyana wakhe, weza ezintliziyweni zenu, edanduluka esithi, Abha, Bawo.

7Ngoko ke àkusengumkhonzi, ungunyana; ukuba ke ungunyana, ukwayindlalifa kaThixo ngoKristu.

UPawulos ubongoza abaguqukileyo ukuba bangaxibiliki

8Kanti okunene, oko naningamazi uThixo, nanikhonza kwabo ngemvelo bangethixo;

9ngoku ke, nakuba nimazile uThixo, hayi kanye mandithi, nakuba naziwe nguThixo, nènza ntoni na ukubuya niguqukele kwiziqalelo ezingenamandla, ezingenaluncedo, enithanda ukubuya nikhonze zona ngokutsha?

10Nimana nigcina imihla, neenyanga, namaxesha, neminyaka.

11Ndiyanoyikela, hleze ndibe ndifumane ndabulaleka ngenxa yenu.

12Ndiyanikhunga, bazalwana, yibani njengam, ngokuba nam ndaba njengani; anindonanga nganto.

13Niyazi ke ukuba bekungenxa yokuswela amandla kwenyama yam, ukunishumayeza kwam iindaba ezilungileyo ngokokuqala.

14Ukulingwa kwam okwakusenyameni yam, anikwenzanga into engento, anikucekisanga nina nokukucekisa; nesuka nandamkela njengesithunywa sikaThixo, njengoKristu Yesu ngokwakhe.

15Kwabe kuyintoni na ngoko ukuziyolisa kwenu? Kuba ndiyaningqinela, ukuba bekunokwenzeka, ninge nawakrukrayo amehlo enu, nandinika.

16Ndisuke ndaba lutshaba lwenu na ke, ngokuthetha inyaniso kuni?

17Bayanincekelela ngokungekuhle; basuka bathande ukunivalela phandle, ukuze nibancekelele nani.

18Kuhle ke ukuba kuncekelelwe ngamaxesha onke entweni entle, kunganeli ukuba njalo ndakuba ndikho kuni.

19Bantwana bam, endibuye ndanenimba ngabo, ade uKristu amiliswe ngaphakathi kwenu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

20bendithanda ke ukubakho kuni ngoku, ndilenze libe lilimbi ilizwi lam; ngokuba ndiyathingaza ngani.

Umfuziselo ovela kwiTestamente eNdala

21Ndixeleleni, nina nithandayo ukuba phantsi komthetho, aniwuva na umthetho?

22Kuba kubhaliwe kwathiwa, uAbraham wayenoonyana ababini: omnye engowekhobokazana, omnye engowomfazi okhululekileyo.

23Waye okunene lowo wekhobokazana ezelwe ngokwenyama; kodwa lowo womfazi okhululekileyo wayezelwe ngalo idinga.

24Eziyintsonkotha zona ezo zinto; kuba aba bayiyo iminqophiso emibini. Omnye uvela entabeni yeSinayi, uzalela ebukhobokeni, onguHagare ke wona lowo;

25Kuba loo nto inguHagare yiSinayi, intaba ekwelama-Arabhi, elungelelene neYerusalem yakalokunje, esebukhobokeni ke nabantwana bayo.

26Ke yona ephezulu iYerusalem ikhululekile, enguma wethu leyo.

27Kuba kubhaliwe kwathiwa, Yiba nemihlali, ludlolo lungazaliyo; Gqabhuka umemelele, wena ungenanimba; Ngokuba baninzi abantwana besishiywa, ngaphezu kwabonendoda. (UIsaya 54:1)

28Thina ke, bazalwana, ngokokukaIsake, singabantwana bedinga.

29Kusuke, kwanjengokuba wayesithi oko owazalwa ngokwenyama amtshutshise owazalwa ngokoMoya, kwaba njalo nakaloku.

30Síthini na ke sona isibhalo? Síthi, Likhuphele phandle ikhobokazana nonyana walo; kuba unyana wekhobokazana akasayi kuba ndlalifa kunye nonyana wokhululekileyo.

31Ngoko, bazalwana, asingabantwana bekhobokazana thina; singabowokhululekileyo.

KumaGalati 5

1Yimani ngoko enkululekweni, athe uKristu wasikhululela kuyo; nize ningabuyi nibanjwe yidyokhwe yobukhoboka.

Kumelwe kukwahlulwa phakathi koKristu nomthetho

2Niyabona, mna, Pawulos, ndithi kuni, ukuba nithe nalùka, uKristu akasayi kuninceda lutho.

3Ndiphinda ndingqina ke kumntu wonke owalukileyo, ukuba ungonetyala lokuwenza umthetho uphela.

4Nibhangile, nahlukana noKristu, nina aba nigwetyelwayo emthethweni, naphalala elubabalweni.

5Kuba thina ngoMoya silinde kakhulu ithemba lobulungisa ngokwaselukholweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Kuba kwabakuKristu Yesu àkunamandla anto ukwaluka, kwanokungaluki; into enamandla lukholo olusebenza ngothando.

7Nibé nibaleka kakuhle; ngubani na osuke wanithintela ukuba ningayithambeli inyaniso?

8Olo loyiseko lwenu aluphumi konibizayo.

9Igwele elincinane liyayibilisa intlama iphela.

10Mna ndikholosekile malunga nani eNkosini, ukuba aniyi kucinga nto yimbi; ke onikhathazayo uya kuluthwala ugwebo, nokuba ngongubani.

11Mna ke, bazalwana, ukuba ndingaba ndisavakalisa ulwaluko, ndisatshutshiselwani na? — singaba sibhangisiwe njengoko isikhubekiso eso somnqamlezo.

12Akwaba bangazinqumla nokuzinqumla abaniqungaqungayo.

Inkululeko mayilawulwe luthando

13Kuba nina nabizwelwa enkululekweni, bazalwana; kodwa ke musani ukuthi, ukuyiphatha inkululeko leyo, nivulele inyama ithuba; manisuke ngalo uthando nikhonzane.

14Kuba wonke umthetho uzaliswe ngazwi linye, ngeli lithi, Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithandangako.

15Ukuba ke niyagrenyana, nidlane, lumkani ukuba ningagqitywa omnye ngomnye.

Ukukhokela koMoya

16Ke kaloku ndithi, Hambani ngokoMoya, naningasayi kuthi ke niyizalise inkanuko yenyama.

17Kuba inyama ikhanuka ngokuchasene noMoya, uMoya ke ukhanuka ngokuchasene nenyama; ezo zinto ke ziphambene, ukuze ningazenzi izinto enisukuba nizithanda.

18Ukuba ke nikhokelwa nguMoya, aningaphantsi komthetho.

19Iyabonakala ke yona imisebenzi yenyama, eyilé: ukrexezo, umbulo, ukungcola, uburheletyo,

20ukubusa kwizithixo, ukukhafula, intiyo, iinkani, amakhwele, imisindo, amayelenqe, iimbambaniso, izahlukano,

21oomona, ookubulala, ookunxila, iindywala, nezinto ezinjengezo; endinixelelayo ngenxa engaphambili, njengokuba besendinixelele kade, ukuba abazenzayo izinto ezinjalo abayi kubudla ilifa ubukumkani bukaThixo

22Ke sona esoMoya isiqhamo luthando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembeko, ubulali, ukuzeyisa;

23akukho mthetho uchasene nezinto ezinjalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Ke kaloku abo ke bakaKristu, inyama bayibethelele emnqamlezweni, kunye neminqweno neenkanuko zayo.

25Ukuba sidla ubomi ngokoMoya, masihambe nokuhamba kwangokoMoya.

26Masingabi ngabozuko olulambathayo, sithelekisana, simonelana.

KumaGalati 6

Iziyalo ezingokuziphatha

1Bazalwana, ukuba umntu uthe waqutyulwa nokuqutyulwa sisiphoso esithile, nina bangaboMoya, mlulekeni onjalo ninomoya wobulali; uzilumkela ukuba ungàhendwa nawe.

2Thwalisanani ubunzima, ize ngokunjalo niwuzalise umthetho kaKristu;

3kuba umntu, ukuba uba uyinto, engento, uyazikhohlisa.

4Elowo ke makawucikide owakhe umsebenzi, wayeya kwandula ukuba neqhayiya ngokwakhe yedwa, angabi nalo ngomnye;

5kuba elowo uya kuwuthwala owakhe umthwalo.

6Makathi ke lowo ufundiswayo ilizwi, abelane nalowo ufundisayo ngeento zonke ezilungileyo.

7Musani ukulahlekiswa; uThixo yena asingowokuhlekisa. Kuba into athe wahlwayela yona umntu, wovuna kwayona;

8ngokuba lowo uhlwayelela eyakhe inyama, wovuna ukonakala ngokwasenyameni; lowo uhlwayelela uMoya ke, wovuna ubomi obungunaphakade ngokwaseMoyeni.

9Ke ekwenzeni okulungileyo masingethi amandla; kuba sovuna ngexesha elililo, ukuba asityhafi.

10Njengoko singáthi sibe nethuba, masisebenze okulungileyo kubo bonke, ngokukodwa ke kwabendlu yokholo.

Isiphelo

11Bonani ukuba kukhulu kokubhala endinibhalele ngako ngesam isandla.

12Bonke abathanda ukuba babe nesimilo esihle ngokwangaphandle, abo ke baninyanzela ukuba nalùswe; benzela nje kodwa ukuze bangàtshutshiswa ngawo umnqamelzo kaKristu.

13Kuba kwanabo balukayo, bengawubambi umthetho, bathanda ukuba nalùswe, ukuze baqhayise ngeyiyeyenu inyama.

14Mna ke mandingàkhe ndiqhayise nganto, ingenguwo umnqamlezo weNkosi yethu uYesu Kristu, ekuthe ngaye ihlabathi kum labethelelwa emnqamlezweni, ndathi nam kwihlabathi ndabethelelwa emnqamlezweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kuba kwabakuKristu Yesu, akunamandla anto ukwaluka nokungaluki; into enamandla sisidalwa esitsha.

16Bonke ke abahamba ngaló mgca, makube luxolo nenceba kubo ke, nakwabangamaSirayeli kaThixo.

17Elokugqiba ndithi, Makungabikho namnye undixhamlayo; kuba mna, iimpawu zeNkosi uYesu ndiziphethe ngomzimba wam.

18Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nomoya wenu, bazalwana. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Kwabase-Efese

Kwabase-Efese 1

Umbuliso

1UPawulos, umpostile kaYesu Kristu ngokuthanda kukaThixo, ubhalelaabangcwele
abase-Efese, abakholwayo kuKristu Yesu;

2athi, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi yethu
uYesu Kristu.

Makabongwe uThixo!

3Makabongwe uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu, lowo wasisikelelayo
ngeentsikelelo zonke zoMoya kwezasemazulwini iindawo, sikuKristu;

4njengokuba wathi, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, wasinyulela kuye, ukuba
sibe ngcwele, singabi nasiphako phambi kwakhe;

5othe ngokusithanda wasimisela ngenxa engaphambili, ukuba senziwe oonyana kuye
ngokwakhe ngoYesu Kristu, ngokwenkolelo yokuthanda kwakhe,

6ukuze kudunyiswe uzuko lobabalo lwakhe, awasibabala ngalo sikuye Othandiweyo;

7esinayo sikuye inkululeko ngokuhlawulelwa ngegazi lakhe, ukuxolelwa ke
kweziphoso zethu, ngokobutyebi bobabalo lwakhe;

8awaluphuphumisela kuthi, lunabo bonke ubulumko nokuqonda;

9esazisile imfihlelo yokuthanda kwakhe ngokwenkolelo yakhe, awayimisayo
ngokwakhe,

10ebhekise ekuhleleni aya kuhlela ngako, akuzaliseka amaxesha, ukuba
azihlanganisele zonke izinto kuye uKristu, ezisemazulwini kwanezisemhlabeni;

11ewe, kuye lo sithe sikuye sadla ilifa; simisiwe ngenxa engaphambili ngokwengqibo
yozisebenzayo zonke ezo nto ngokwecebo lokuthanda kwakhe;

12ukuze sibe ngabokudumisa uzuko lwakhe, thina aba sathi ngenxa engaphambili
sathembela kuye uKristu;

13enithe, nikuye nani, nakuliva ilizwi lenyaniso, iindaba ezi zilungileyo zokusindiswa
kwenu — enithe, nakùkholwa nokukholwa kuye, natywinwa naqiniselwa ngaye
uMoya oyiNgcwele wedinga, osisinyaniso selifa lethu,

14ukude kugqibelele ukukhululeka ngentlawulelo kwabo baziinqobo kuye, ukuba
kudunyiswe uzuko lwakhe.

Ukuthandazela ukumazi uThixo, omandla akhe abonakaliswa eluvukweni lukaKristu

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

15Ngenxa yoko nam, ndakuba ndikuvile okwenu ukukholwa yiNkosi uYesu,
nokubathanda kwenu bonke abangcwele, àndiphezi ukubulela ngenxa yenu,

16ndinikhumbula emithandazweni yam,

17ukuba uThixo weNkosi yethu uYesu Kristu, uYise wozuko, aninike umoya
wobulumko wokunityhilela, nimazi kakuhle;

18nikhanyiselwe amehlo engqondo, ukuze nilazi into eliyiyo ithemba lobizo lwakhe,
nento obuyiyo ubutyebi bobuqaqawuli belifa lakhe phakathi kwabo abangcwele;

19nento obuyiyo ubukhulu obuncamisileyo bamandla akhe abhekisele kuthi, thina
bakholwayo, angokokusebenza kokuqinisela kokomelela kwakhe,

20awakusebenza kuye uKristu, ekumvuseni kwakhe kwabafileyo; waza wamhlalisa
ngasekunene kwakhe kwezasemazulwini iindawo,

21ngaphezu kwalo lonke ulawulo, negunya, namandla, nobukhosi, nalo lonke igama
elikhankanywayo, kungekhona kweli phakade lodwa, kunakwelo lizayo.

22Waza izinto zonke wazithobela phantsi kweenyawo zakhe, wammisa ukuba abe
yintloko phezu kweento zonke kulo ibandla,

23lona lingumzimba wakhe, ukuzala ke oko kozizalisayo izinto zonke ngako konke.

Kwabase-Efese 2

Usindiso luza ngobabalo lukaThixo

1Nani unidlise ubomi, nifile nje ziziphoso nazizono;

2enanifudula nihamba kuzo ngokwesimo seli hlabathi, ngokomphathi wegunya
lesibhakabhaka, womoya lo usebenzayo ngoku kubo abangevayo;

3esasifudula nathi sonke sihleli phakathi kwabo ezinkanukweni zenyama yethu,
sisenza ukuthanda kwenyama nokwengcinga, saye ngemvelo sikwangabantwana
bengqumbo, njengabanye abo.

4Ke uThixo, esisityebi nje ngenceba, uthe ngenxa yothando lwakhe olukhulu,

5awasithanda ngalo, thina sifile nje ziziphoso, wasidlisa ubomi ndawonye noKristu
(nisindiswé ngokubabalwa),

6wasivusa naye, wasihlalisa naye kwezasemazulwini iindawo, sikuKristu Yesu;

7ukuze ubutyebi obuncamisileyo bobabalo lwakhe abubonakalalise emaphakadeni
azayo, ngokusenzela ububele ngoKristu Yesu.

8Kuba nisindiswe ngokubabalwa nangalo ukholo; nako oko kungaphumi kuni,
kusisipho sikaThixo;

9akuphumi misebenzini, hleze kubekho bani uqhayisayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuba thina singumsebenzi wakhe, sídalelwe kuKristu Yesu, ukuze senze imisebenzi elungileyo, awayilungisayo uThixo ngenxa engaphambili, ukuze sihambe kuyo.

Oweentlanga nomYuda bamanyenwe kuKristu

11Ngoko ndithi, Khumbulani ukuba nina, enibe nifudule niziintlanga ngokwenyama, kusithiwa ningabangàlukileyo, ngabo kuthiwa ngabolwaluko olwenziwe ngezandla enyameni:

12okokuba ngelo xesha nibe ningenaKristu, ningazani nawo umzi wakwaSirayeli, ningabasemzini kuyo iminqophiso yalo idinga, ningenathemba, ningenaThixo ehlabathini.

13Ke ngoku ngoKristu Yesu, nina, enibe nifudula nikude, nithe naba kufuphi ngalo igazi likaKristu.

14Kuba nguye oluxolo lwethu, yena uthe izinto zombini wazenza zaba nye, waluchitha ke udonga lothango oluphakathi, ubumpi ke obo,

15akuba ewubhangisile, esenyameni yakhe, umyalelo wemithetho esemimiselweni; ukuze abo babini ábadalele kuye ngokwakhe, babe mntu mnye, mtsha, esenza ke uxolo;

16nokuze abaxolelanise noThixo abo babini, babe mzimba mnye ngawo umnqamlezo, ebubulalele kuwo ubumpi obo.

17Weza ke washumayela iindaba ezilungileyo zoxolo kuni abo bakude, nakwabakufuphi;

18ngokuba kungaye ukungeniswa kwethu sobabini, siMoya mnye kuye uYise.

19Ngoko ke anisengabasemzini nabaphambukeli; ningamakhaya kubo abangcwele, ningabendlu kaThixo,

20nakhelwe phezu kwelitye lesiseko sabapostile nabaprofeti, inguYesu Kristu ngokwakhe ilitye lembombo;

21esíthi kuye sonke isakhiwo, síhlangene kakùhle, sikhùle, sibe yitempile engcwele eNkosini;

22enithi nani nakhèlwe ndawonye kuye, ukuze nibe yindawo yokuhlala kaThixo ngaye uMoya.

Kwabase-Efese 3

Ukuthunywa kukaPawulos ukuba atyhile imfihlelo kaThixo

1Ngenxa yoko, mna Pawulos, mbanjwa kaKristu Yesu ngenxa yenu zintlanga —

2ukuba ke nikuvile ukugosisa kobabalo lukaThixo endanibabalelwa ngalo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

3okokuba wandazisa imfihlelo leyo ngokotyhilelo, njengoko sendibhale kade
ngokufutshane;

4enothi ngoko, nakulesa, nibe nokuqiqa okwam ukuyiqonda imfihlelo kaKristu;

5ababengathanga kuzimbi izizukulwana bayaziswe oonyana babantu, njengoko
bayityhilelweyo ngoku abapostile bakhe abangcwele, nabaprofeti bakhe, ngaye
uMoya;

6eyokuba iintlanga ziziindlalifa nathi, zikwamzimba mnye nathi, zingamahlulelana
nathi ngedinga lakhe, síkuye nje uKristu ngazo iindaba ezilungileyo,

7endaba ngumlungiseleli wazo ngokwesipho sobabalo lukaThixo, endababalwa ngaso
ngokokusebenza kwamandla akhe.

8Mna lo, unguyena mncinanana kubo bonke abangcwele, ndababalwa ngolo
lubabalo, lokuba ndishumayele phakathi kweentlanga iindaba ezilungileyo zobutyebi
obungalandekiyo bukaKristu;

9ndíbakhanyìsele bonke, bayibone into obuyiyo ubudlelane bemfihlelo ebifihliwe
kwasemaphakadeni, ikuye uThixo owazidalayo zonke izinto ngoYesu Kristu;

10ukuze ngoku oozilawuli noomagunya, abakwezasemazulwini iindawo, babaziswe
ngalo ibandla ubulumko bukaThixo, obuziintlobo ezininzi,

11ngokokwengqibo yakhe yasemaphakadeni, awayenzayo kuKristu Yesu, iNkosi
yethu;

12esinako sikuye ukungafihlisi kwethu, nokungeniswa kuye sikholosile, ngokukholwa
kuye.

13Kungoko ndicelayo ukuba ningethi amandla ziimbandezelo zam, ezingenxa yenu,
zona ezi ziluzuko lwenu.

Ukuthandazela ukuqondwa kweendaba ezilungileyo

14Ngenxa yoko ndiyawagoba amadolo am kuye uYise weNkosi yethu uYesu Kristu,

15ebizwe ngaye yonke imizalwane esemazulwini nesemhlabeni,

16ukuba aninike, ngokobutyebi bozuko lwakhe, ukomelezwa ngamandla ngaye
uMoya wakhe, ngokusingisele emntwini ongaphakathi;

17ukuba uKristu ahlale ngalo ukholo ezintliziyweni zenu, néndele

18nisekelwe eluthandweni, ukuze nithi, ndawonye nabo bonke abangcwele, nibe
nako kanye ukubuqiqa into obuyiyo ububanzi, nobude, nobunzulu,
nokuphakama kwalo,

19kwanokulwazi uthando lukaKristu oluncamise ukwazi; ukuze niye nizala ngako
konke ukuzala kukaThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

20Kuye ke onako ukwenza okungaphezu kweento zonke ngokugqithiseleyo kakhulu,
ngaphezu kwesikucelayo nesinokukuqiqa, ngokokwamandla asebenzayo ngaphakathi
kwethu,

21kuye malubekho uzuko ebandleni elikuKristu Yesu, kuse kuzo zonke izizukulwana
zalo iphakade lasemaphakadeni. Amen.

Kwabase-Efese 4

Ubizo lukaThixo lufumbatha ubunye

1Ndiyanivuselela ngoko, mna mbanjwa waseNkosini, ukuba nihambe
ngokulufaneleyo ubizo enabizwa ngalo,

2nínako konke ukuthobeka kwentliziyo nobulali, ninokuzeka kade umsindo,
ninyamezelana,

3nisenziwa luthando, níkhuthalele ukubugcina ubunye boMoya ngentambo yoxolo.

4Mnye umzimba, mnye noMoya, njengokuba nabizwáyo nokubizwa, naba nathemba
linye lobizo lwenu.

5Inye iNkosi, lunye ukholo, lunye ubhaptizo, mnye uThixo,

6uYise wabo bonke, ophezu kwabo bonke, okubo bonke, ophakathi kwenu nonke.

7Ke elowo kuthi wababalwa ngokomlinganiso wokupha kukaKristu.

8Kungoko athi, Enyuké waya enyangweni, wathimba intimbo, Wabapha izipho
abantu. (INdum. 68:18)

9Oko ke kùthi, wenyuka, kuyintoni na, kungekwakukuthi, wehla nokuhla kuqala,
waya kwezona zisezantsi iindawo zomhlaba?

10Owehlayo ikwangulowo wenyukayo, waya ngaphezu kwawo onke amazulu, ukuze
azalise zonke izinto.

11Waza kwayena wabapha abanye ukuba babe ngabapostile, abanye babe
ngabaprofeti, abanye babe ngabashumayeli beendaba ezilungileyo, abanye babe
ngabalúsi nabafundisi,

12ukuze abangcwele basulungekiselwe umsebenzi wolungiselelo, ukwakhiwa ke
komzimba kaKristu;

13side thina sonke sifike kubo ubunye benkolo, nobokumazi okuzeleyo uNyana
kaThixo, ebudodeni obupheleleyo, emlinganisweni wobukhulu bokuzala kukaKristu;

14ukuze singabi saba ziintsana, silatyuzwa, siphetshethwa ngumoya wonke
wemfundiso, ngokunyanga kwabantu, ngobuqhetseba obusemaqhingeni olahlekiso;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15síthi ke, sinyanisekile eluthandweni, sikhulele, ngeendawo zonke, kuye lo uyintloko, uKristu;

16ekuphuma kuye ukuthi, umzimba wonke uhlangane kakuhle, ubandakanywe ngako konke ukuxhomekelelana kwamalungu okuluncedo, okusebenza ngomlinganiso weendawo zonke ngazinye, ukhulise umzimba, use ekuzakheni ngothando.

Ubomi obudala nobutsha

17Ke ngoko, oku ndiyakuthetha ndikungqine ndiseNkosini, ukuthi, maningabi sahamba njengoko zihamba ngako nezinye iintlanga, ngamampunge engqiqo yazo,

18zénziwe mnyama iingqondo, zingazani nobomi bukaThixo ngenxa yokungazi okukuzo, ngenxa yokuqaqadeka kwentliziyo yazo;

19abathe bona, bengasaziva, bazinikela eburheletyweni, ukuze basebenze ukungcola konke, bebawa.

20Ke nina animfundanga ngokunjalo uKristu,

21ukuba kambe ningaba nimvile, nafundiswa nikuye, njengoko inyaniso ikuye uYesu;

22yokuba nithi ngakwihambo yangaphambili nimlahle umntu omdala, owonakaliswayo ngokokweenkanuko zokulukuhla;

23nihlaziywe ke kuwo umoya wengqiqo yenu,

24nimambathe umntu omtsha, othe ngokukaThixo wadalelwa ebulungiseni, nasebungcweleni benyaniso.

Imiyalo yobomi bemihla ngemihla

25Kungoko ke ndithi, lahlani ubuxoki, thethani inyaniso elowo nommelwane wakhe; ngokuba singamalungu, omnye elelomnye.

26Qumbani, ningoni; ilanga malingade litshone nicaphukile;

27kananjalo musani ukumkhwelela indawo uMtyholi lo.

28Lowo ubayo makangabi seba; kanye ke makabulaleke esebenza okulungileyo ngezandla zakhe, ukuze abe nako ukwabela osweleyo.

29Makungaphumi nanye intetho ebolileyo emlonyeni wenu; mayibe yesukuba ilungele ukuxuma oko kuluncedo, ukuze ibabale abevayo.

30Kanjalo musani ukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo, enathi kuye natywinwa, naqiniselelwa imini yentlawulelo.

31Mabukhweleliswe kuni bonke ubukrakra, nomsindo, nengqumbo, nengcolo, nonyeliso, ndawonye nolunya lonke.

32Ke nina yibani nobubele omnye komnye, nibe nemfesane kakhulu, nixolelane, njengokuba naye uThixo wanixolelayo ekuKristu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Kwabase-Efese 5

1Ngoko yibani ngabaxelisa uThixo, ngokwabantwana abaziintánda;

2nihambe eluthandweni, kwanjengokuba naye uKristu wasithandayo, wazinikela ngenxa yethu, ukuba abe ngumnikelo nedini kuye uThixo, ukuba abe livumba elimnandi.

3Ke umbulo, nako konke ukungcola, nokubawa, makungakhe kukhankanywe phakathi kwenu, njengoko kubafaneleyo abangcwele;

4kwanamanyala, nentetho yobuyatha, nobuhiba, izinto ezo ezingafanelekileyo. Makube kokukhona ninemibulelo.

5Kuba oku nikwazi, ukuba wonke umenzi wombulo, nomntu ongcolileyo, nolibawa, engumkhonzi wezithixo, akanalifa ebukumkanini bukaKristu noThixo.

6Makungabikho namnye unilukuhlayo ngamazwi alambathayo; kuba iza ngenxa yezo zinto ingqumbo kaThixo phezu kwabangevayo.

7Ngoko musani ukuba ngamahlulelana nabo.

8Kuba nina naye nifudula nibubumnyama, ke ngoku nikukukhanya, niseNkosini nje; hambani ke ngokwabantwana bokukhanya.

9Kuba sona isiqhamo soMoya sikuko konke ukulunga, nobulungisa, nenyaniso;

10nicikida ukuba yintoni na ekholekileyo kakuhle kwiNkosi.

11Kanjalo musani ukuba nabudlelane ngemisebenzi yobumnyama engenasiqhamo; makube kukhona niyohlwayayo.

12Kuba izinto ezenziwa ngabo emfihlekweni kulihlazo nokuzithetha.

13Ke zonke ezi zinto, zakòhlwaywa, ziyabonakalaliswa kukukhanya; kuba konke okubonakalaliswayo kukukhanya.

14Kungoko athi, Vuka wena uleleyo, uvuke kwabafileyo; uKristu wokukhanyisela.

15Khangelani ngoko, ukuba ningáthini na, ukuze kucokiseke ukuhamba kwenu; ningabi njengabaswele ubulumko, yibani njengezilumko;

16nizongela ixesha eli, ngokuba le mihla ayindawo.

17Ngenxa yoko musani ukuba ziintsweli-kuqonda; yibani ngabakuqondayo into okuyiyo ukuthanda kweNkosi.

18Kanjalo musani ukunxila yiwayini, ekukhoyo kuloo nto ukuzibhubhisa; manizaliswe nguMoya;

19níthetha omnye nomnye ngeendumiso, neengoma, nezango ezizezomoya, nivuma, nibetha uhadi entliziyweni yenu kuyo iNkosi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

20nimana nibulela ngenxa yeento zonke, egameni leNkosi yethu uYesu Kristu, kuye
uThixo uYise;

21nilulamelana ngokoyika uThixo.

Intlalo yosapho olungamaKristu

22Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, ngokokululamela iNkosi;

23ngokuba indoda le iyintloko yomfazi, njengokuba naye uKristu eyintloko yebandla
eli; waye yena ngokwakhe enguMsindisi wawo umzimba.

24Ke, kwanjengokuba ibandla eli limlulamela uKristu, mabathi ngokunjalo
nabafazi bawalulamele awabo amadoda ezintweni zonke.

25Nina madoda, bathandeni abafazi benu, njengokuba naye uKristu walithandayo
ibandla, wazinikela ngenxa yalo;

26ukuze alingcwalise, elihlambulule ngokuhlamba kwamanzi ngelizwi;

27ukuze alimise phambi kwakhe linobuqaqawuli, lilibandla elingenabala,
elingenamibimbi nanye into enjalo, ukuze libe ngcwele, lingabi nasiphako.

28Ngoko amelwe amadoda ukubathanda abawo abafazi, njengokuba beyimizimba
yawo. Lowo umthandayo umkakhe, uyazithanda;

29kuba akukho namnye wakha wayithiya eyakhe inyama; usuka ayondle, ayigcine,
njengokuba nayo iNkosi ilenjenjalo ibandla.

30Ngokuba singamalungu omzimba wayo, singabenyama yayo, singabamthambo ayo.

31Ngenxa yoko ke, umntu womshiya uyise nonina, anamathele kuye umkakhe, baze
abo babini babe nyama-nye.

32Loo mfihlelo inkulu; ke mna ndithetha ndisingisele kuKristu, ndisingisele nakulo
ibandla.

33Kodwa ke manithi nani ngabanye, elowo amthande umkakhe, njengoko azithanda
ngako; umfazi ke makayoyike indoda.

Kwabase-Efese 6

1Nina bantwana, baveni abazali benu ngokwabaseNkosini; kuba oko kububulungisa.

2Beka uyihlo nonyoko; wona lowo ngumthetho wokuqala onedinga;

3ukuze kulunge kuwe, ube nexesha elide emhlabeni.

4Nani boyise, musani ukubacaphukisa abantwana benu; bondleleni ekuqeqesheni
nasekululekeni kweNkosi.

5Nina bakhonzi, baveni abaziinkosi zenu ngokwenyama, ninokuzoyikela nokugubha,
ningenakumbi ezintliziyweni zenu, ninge niva uKristu ngokwakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ukukhonza kwenu makungabi ngokweliso, ngathi nithomalalisa abantu; makube
ngokwabakhonzi bakaKristu, nikwenza ukuthanda kukaThixo
ngokwasemphefumlweni,

7nikhonza ngentumekelelo, kukuyo iNkosi, kungekubo abantu;

8nisazi nje ukuba into esukuba ilungile, athe ulowo wayenza, uya kwamkeliswa
kwayona yiNkosi, nokuba ungumkhonzi nokuba ungokhululekileyo.

9Nani baziinkosi zabo, yenzani kwaezo zinto kubo, nikuyeke ukusongela; nisazi nje
ukuba kwaeyabo neyenu iNkosi isemazulwini, nokuba akukho kukhetha buso kuyo.

Isikrweqe somKristu

10Elokugqiba, bazalwana bam, ndithi, Yomelelani eNkosini, nasekuqineni kokomelela
kwayo.

11Xhobani sonke isikrweqe sikaThixo, ukuze nibe nako ukumisa nibuchase ubuqhinga
boMtyholi.

12Ngokuba umzamo wethu asingowokuzamana negazi nenyama; ngowokuzamana
nazo izilawuli, nawo amagunya, nazo iziphatha-hlabathi zobumnyama balo eli
phakade, nayo imikhosi yomoya abakhohlakeleyo kwezasezulwini iindawo.

13Ngenxa yoko, qubulani sonke isikrweqe sikaThixo; ukuze nibe nako ukuchasa
ngomhla ombi, nithi nikufezile konke, nime nimi.

14Misani ke ngoko, níbhinqé inyaniso esinqeni senu, ninxibé isigcina-sifuba
sobulungisa,

15nibophé ezinyaweni zenu ulungiselelo lweendaba ezilungileyo zoxolo.

16Ngaphezu kwezo zinto zonke, qubulani ikhaka lokholo, lona nothi ngalo nibe nako
ukuzicima zonke iintolo ezinomlilo zakhe ongendawo.

17Yamkelani isigcina-ntloko sosindiso, nalo ikrele loMoya, elililizwi likaThixo;

18ngako konke ukuthandaza nokukhunga, nithandaza amaxesha onke nikuye uMoya;
niyiphaphamele loo nto ngako konke ukuzingisa nokukhunga, ngenxa yabo bonke
abangcwele;

19nangenxa yam, ukuba ndiphiwe ilizwi ekuwuvuleni umlomo wam, ndize ndazise
ngokungafihlisiyo imfihlelo yeendaba ezi zilungileyo,

20ekungenxa yazo endisisigidimi esisezintanjeni; ukuze ndingafihlisi ukuthetha kuzo,
njengoko ndimelwe kukuthetha ngako.

Isiphelo

21Ke kaloku, ukuze nani nikwazi okukokwam, ukuba ndinjani na, wonazisa konke
uTikiko, umzalwana oyintánda, umlungiseleli othembekileyo ngokwaseNkosini;

© 1975 Bible Society of South Africa.

22endimthume le nto kuni, ukuze nizazi iindaba zethu, nokuze azithuthuzele iintliziyo zenu.

23Makube luxolo kubo abazalwana, nothando, ndawonye nokholo oluvela kuThixo uYise, neNkosi yethu uYesu Kristu.

24Ubabalo malube nabo bonke abayithandayo iNkosi yethu uYesu Kristu ngokungenakonakala. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseFilipi

KwabaseFilipi 1

Umbuliso

1UPawulos noTimoti, abakhonzi bakaYesu Kristu, babhalela bonke abangcwele
abakuKristu Yesu, abaseFilipi, ndawonye nabaveleli nabalungiseleli;

2bathi, Makube lubabalo kuni, noxolo, oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi yethu
uYesu Kristu.

Umbulelo novuyo lukaPawulos

3Ndihlala ndibulela kuye uThixo wam, ekunikhumbuleni kwam konke

4(ekukhungeni kwam konke ndikhunga ngenxa yenu nonke, ndivuyile),

5ngenxa yobudlelane benu obubhekisele kuzo iindaba ezilungileyo, kususela kwimini
yokuqala kude kube ngoku;

6ekubeni ndikholose ngayo le nto, yokuba lowo wawuqalayo ngaphakathi kwenu
umsebenzi olungileyo, wowufeza, ide ibe yiloo mini kaYesu Kristu;

7njengokuba ndilungisa ukucinga oko ngani nonke, ngenxa yokuba nikum
entliziyweni, nithe, nasezintanjeni zam, nasekuziphenduleleni kwam,
nasekuziqiniseni kwam iindaba ezilungileyo, naba ngamadlelana nam ngobabalo olu,
nina nonke.

8Kuba uThixo ulingqina lam lokuba kukhulu ukunilangazelela kwam nonke,
ndineemfesane zikaYesu Kristu.

UPawulos uthandazela abafunda le ncwadi

9Nako oku ndiya kuthandazela, ukuba uthando lwenu lube kukhona luphuphuma
ngokuphuphuma ukwazi okukhulu, nako konke ukuqonda,

10ukuze nizicikide izinto eziziincamisa, ukuze nibe nokusulungeka, ningabi nasiwo,
nide nise kwimini kaKristu;

11nizelé ziziqhamo zobulungisa ezingoYesu Kristu, nikhangelisé ekuzukiseni
nasekudumiseni uThixo.

Iziqhamo zokuvalelwa kukaPawulos entolongweni

12Ke kaloku ndinga ningázi, bazalwana, ukuba izinto ezindihleleyo, zibethe
kwakukhona zihambayo iindaba ezilungileyo;

13ngokokude iintambo zam ezi zibonakale kuyo yonke indlu yomkhosi nakwabanye
bonke, ukuba zikuKristu;

14baze abona bazalwana baninzi bathi, beseNkosini, bekholose ngeentambo zam ezi,
babe kukhona benobuganga bokulithetha ilizwi, bengenakoyika.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

UPawulos uvuyiswa kukushunyayelwa kukaKristu

15Okunene abathile bamvakalisa uKristu ngomona neenkani, abanye ke bamvakalisa
ngokokuzithandela.

16Abeyelenqe abo bamazisa uKristu ngokungenyulu, beba baya kongezelela
imbandezelo kwiintambo zam;

17ke aba, bénziwa luthando, bamazisa uKristu besazi ukuba ndimiselwe
ukuziphendulela iindaba ezilungileyo.

18Ibe yini ke? Noko kunjalo, ngeendlela zonke, nokuba kungokunyhwalaza, nokuba
kungenyaniso, kwaziswa uKristu. Ndiyavuya kuko oko, ndaye ndisaya kuvuya.

19Kuba ndiyazi ukuba oku kuya kuphumelela ekusindisweni kwam, ngako
ukundikhungela kwenu, nangoncedo loMoya kaYesu Kristu;

20kuye ngokulangazelela nangokuthemba kwam, ukuba andiyi kudaniswa nganto;
úya kusuka ngako konke ukungafihlisi, njengokwamaxesha onke, athi nangoku
enziwe mkhulu uKristu emzimbeni wam, nokuba na kungobomi, nokuba kungokufa.

Ubomi nokuba kukufa, kulunge yiphi kunenye?

21Kuba kum mna, ukudla ubomi kunguKristu, ukufa kuyinzuzo.

22Ke ukuba ukudla ubomi ndisenyameni kusisiqhamo somsebenzi kum oko, into ke
endonyula yona andiyazi.

23Kuba ndixinekile phakathi kwezinto ezimbini; ndinawo umnqweno wokunga
ndingánduluka, ndiye kuba noKristu; kuba kokona kulungileyo kakhulu oko;

24kodwa ukuhlala ndihleli ndisenyameni, yeyona nto ifunekayo ngenxa yenu.

25Kananjalo, ndikholose ngoko nje, ndiyazi ukuba ndiya kuhlala ndihlale, ndihleli nani
nonke, ukuze nihambele phambili, nivuyiswe lukholo;

26ukuze iqhayiya lenu kuKristu Yesu ngam liye lisanda ngokwanda, ngako ukubuya
ndibekho kuni.

Isiyalo sokukhaliphisa

27Kodwa ke ukuhlala kwenu makube kokuzifaneleyo iindaba ezilungileyo zikaKristu,
ukuze, nokuba ndifikile ndanibona, nokuba andifikanga, ndizive iindaba zenu, ukuba
nimi moyeni mnye, ngamphefumlo mnye, nilwela inkolo yeendaba ezilungileyo,

28ningòthuswa nantweni-nye ngabo bachasayo; into ke leyo engumbonakalaliso
wentshabalalo okunene kubo, kodwa ingumbonakalaliso wosindiso kuni, kube ke oko
kuvela kuThixo.

29Ngokuba nábabalwa ukuthi, ngenxa kaKristu, ninganeli kukholwa kuye; nábabalwa
nokuva ubunzima ngenxa yakhe,

© 1975 Bible Society of South Africa.

30ninawo umzamo onjengalowo nawubonayo kum, nangoku niwuvayo ukuba ukho kum.

KwabaseFilipi 2

Ukuvuselela ubunye nolulamo

1Ukuba ke ngoko kukho usizo kuKristu, ukuba kukho ukhuzo lothando, ukuba kukho ubudlelane boMoya, ukuba kukho imfesane neemfefe,

2luzaliseni uvuyo lwam, ukuze nicinge ntonye, ninaluthando lunye, ninamphefumlo mnye, nicinga nto-nye;

3ningenzi nanye into ngokweyelenqe, nangokozuko olulambathayo. Yithini ngokuthobeka kwentliziyo omnye ambalele omnye ekuthini nguyena wongamileyo kunaye.

4Makangathi elowo axunele kwezakhe izinto zodwa, elowo makaxunele nakwezabanye.

Umzekelo wolulamo nokuzincama kukaYesu

5Yibani nale ngcinga kuni, wayenayo kuye uKristu Yesu:

6yena wàthi, esebumeni bukaThixo, akathi ukulingana kwakhe oku noThixo kulixhoba;

7usuke wazihluba, wathabatha ubume bomkhonzi, enziwe wafana nabantu;

8wathi ngemo efunyenwe enjengomntu, wazithoba, waba ngolulamileyo, wada wesa ekufeni, ukufa ke kwasemnqamlezweni.

9Kungoko athe uThixo wamphakamisa kakhulu, wamnika igama elingaphezu kwawo onke amagama;

10ukuze ngegama likaYesu onke amadolo agobe, awabasemazulwini, nawabasemhlabeni, nawabaphantsi komhlaba;

11zithi zonke iilwimi zixele ukuba uYesu Kristu uyiNkosi, kuze kuzukiswe uThixo uYise.

Usindiso malusetyenzwe lufezwe esimilweni

12Ngoko ke, zintánda zam, njengokuba nahlala ninokuva, lusebenzeni nilufeze olwenu usindiso, ninokuzoyikela nokungcangcazela; ningangi nenjenjalo xa ndikhoyo kodwa, manibe kukhona nenjenjalo xa ndingekhoyo.

13Kuba nguThixo okusebenzayo ngaphakathi kwenu ukuthanda oko, kwanokusebenza oko, ngenxa yenkolelo yakhe.

14Izinto zonke zenzeni ningenakukrokra, ningenakuthandabuza,

© 1975 Bible Society of South Africa.

15ukuze nibe ngabangenakusoleka, abangenabuqhinga; nibe ngabantwana bakaThixo abangenakubekwa bala esazulwini sesizukulwana esigoso, esigwenxa; enithi phakathi kwabo nibonakale ninjengezikhanyiso ehlabathini,

16nibambelele elizwini lobomi; nibe liqhayiya lam, nide nise kwimini kaKristu, ukuba andifumananga ndabaleka, kanjako andifumananga ndabulaleka.

17Ewe, nokuba ndiyathululwa ngokomnikelo phezu kombingelelo nombuso wokholo lwenu, ndiyavuya, ndivuyisana nani nonke.

18Yithini ke ngokoko nani nivuye, nivuyisane nam.

UTimoti

19Ke kaloku ndithembele eNkosini uYesu, ukuba ndonithumela uTimoti kamsinya, ukuze nam ndonwabe, ndakuzazi iindawo ezingani.

20Kuba andinamntu wumbi, umphefumlo uvana nowam, owothi ayikhathalele ngokwenyaniso imicimbi engani.

21Kuba bonke bafuna ezabo izinto, zingezizo ezikaYesu Kristu.

22Ukucikideka ke kwakhe niyakwazi: ukuba wathi, njengomntwana kuyise, wakhonza kunye nam kuzo iindaba ezilungileyo.

23Lowo ke ngoko ndithembé ukumthuma kwaoko, xa ndithe ndayiqonda imicimbi engam.

24Ke ndikholose ngeNkosi, ukuba nam ngokwam ndoza kamsinya.

UEpafrodito

25Kodwa ke ndibé kuyafuneka ukuba ndinithumele uEpafrodito, umzalwana wam osebenza nam, umphumi-mkhosi nam, umthunywa wenu ke, umlungiseleli wam kwiintswelo zam;

26ekubeni ke ebenilangazelela nina nonke, edandatheka, ngenxa enokuba nevayo ukuba wayesifa.

27Kuba okunene wayesifa, ephantse ukufa. Ke uThixo wamenzela inceba; akenzela yena yedwa, wenzela nam lo, ukuze ndingabi buhlungu, ndibuhlungu kade.

28Kukhona ngoko ndimthuma ngokukhawuleza, ukuze nithi nakumbona nibuye nivuye, kuthi nokwam ukuba buhlungu kudambe.

29Mamkeleni ke ngokwaseNkosini, ninovuyo lonke;

30nibabeke abo banjalo; ngokuba, ngenxa yomsebenzi kaKristu, wada waphantsa ukufa, ebenza isichenge ubomi bakhe, ukuze enzelelele ukusilela kwenu ekundilungiseleleni.

KwabaseFilipi 3

Ukungaxabisi kukaPawulos amalungelo akhe obuYuda

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

1Elokugqiba, bazalwana bam, vuyani niseNkosini. Ukunibhalela kwaezo zinto akunqenekile okunene kum, ke nina kuyaninqabisa.

2Zilumkeleni izinja, balumkeleni abasebenzi beento ezimbi, balumkeleni aborhunulo.

3Kuba abolwaluko sithi, thina bakhonza uThixo ngomoya, siqhayise ngoKristu Yesu, singakholosi ngenyama;

4nakuba mna ndibe ndingakholosayo ngenyama; ukuba kukho bani uba unokukholosa ngenyama, bendingaba ngakumbi mna:

5ndalukáyo ngomhla wesibhozo, ndingowenzala kaSirayeli, ndingowesizwe sikaBhenjamin, umHebhere wamaHebhere, ngokomthetho ndingumFarisi,

6ngokwenzondelelo ndilitshutshisa ibandla, ngokobulungisa obo basemthethweni ndingongenakusoleka.

7Ndisuké, zona ezo zinto zabe ziyinzuzo kum, zona ezo ndazibalela ekuthini ziyinkxwaleko ngenxa kaKristu.

Ulangazelelo lukaPawulos lokuba nto-nye noKristu

8Ewe, okunene, ndisuka izinto zonke ndizibalele ekuthini ziyinkxwaleko, ngenxa yokongama kokumazi uKristu Yesu iNkosi yam; endithe ngenxa yakhe ndonakalelwa zezi zinto zonke, ndizibalela ekuthini ziyinkunkuma, ukuze ndimzuze uKristu,

9ndifunyanwe ndikuye, ndingenabo obam ubulungisa, obo basemthethweni; ndinobo bungokukholwa kuKristu, ubulungisa ke obuphuma kuThixo ngalo ukholo;

10ukuba ndimazi, kwanamandla ovuko lwakhe, nokuba ndibe nobudlelane naye ngeentlungu zakhe, ndifaniswe noko kufa kwakhe;

11ukuba ndingáde ndifikelele ekuvukeni kwabafileyo.

12Kungekuko ukuthi sendamkele, nokuthi sendigqibelele; ke ndiphuthuma ukuba ndingakugánga na nokukugánga oko, ndathi nam ndagangelwa khona nguye uKristu Yesu.

13Bazalwana, mna andizibaleli ekuthini ndigángile; ke ndenza nto-nye: ndithi, ndízilibala izinto ezisemva, ndísolulela kweziphambili,

14ndiphuthume ngokoxunele umvuzo wobizo lwaphezulu lukaThixo kuKristu Yesu.

15Ngoko masithi, ngangoko singako thina bagqibeleleyo, sicinge oko; kanjalo ukuba nicinga into ngokukumbi, uThixo wonityhilela naleyo.

16Noko ke, apho sifikelele khona, masihambe ngamgca mnye, masicinge nto-nye.

Umzekelo kaPawulos mawulandelwe

17Yibani ngabaxelisa mna, bazalwana, nixunele kubo abahamba ngokunjalo, njengokuba ninomfuziselo, thina aba ke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Iintshaba zomnqamlezo kaKristu

18Kuba baninzi abahambayo, endathetha futhi kuni ngabo, ngoku ke ndithetha ndilila
nokulila, ndisithi, bazizo iintshaba zomnqamlezo kaKristu;

19abasiphelo siyintshabalalo, abaThixo usisisu sabo, abaluzuko lulihlazo labo,
abanyamekela izinto zomhlaba.

20Kuba thina ikowethu lisemazulwini, apho kananjalo silinde khona kwauMsindisi,
iNkosi uYesu Kristu;

21eya kuwenza kumila kumbi umzimba wokuthobeka kwethu, ukuze wona wenziwe
ufane nawo umzimba wozuko lwakhe, ngokokusebenza kwalowo unako ukuzithobela
phantsi kwakhe zonke izinto.

KwabaseFilipi 4

Iziyalo

1Ngoko ke, bazalwana bam abaziintánda, balangazelelwayo, lùvuyo lwam, sithsaba
sam, yimani ngokunjalo eNkosini, zintánda.

2UWodiya ndiyamyala, noSintike ndiyamyala, ukuba bacinge nto-nye beseNkosini.

3Ndiyakucela nawe, sinxulumana senyaniso, bambisana nabo bafazi bázama nam
ezindabeni ezilungileyo, kwanoKlemente, nabanye abasebenzisi bam, abamagama
asencwadini yobomi.

4Vuyani eNkosini amaxesha onke; ndiyaphinda ndithi, Vuyani.

5Ukuthantamisa kwenu makwazeke kubantu bonke.

6INkosi ikufuphi. Ningaxhaleli nto; mazithi iingcelo zenu ezintweni zonke, ngako
ukuthandaza nokukhunga, ndawonye nokubulela, zaziswe kuye uThixo.

7Lwaye uxolo lukaThixo, olugqithisele kuko konke ukuqonda, luya kuzigcina iintliziyo
zenu neengqiqo zenu kuKristu Yesu.

8Elokugqiba, bazalwana, ndithi, iinto zonke eziyinene, iinto zonke ezindilekileyo, iinto
zonke ezibubulungisa, iinto zonke ezinyulu, iinto zonke ezithandekayo, iinto zonke
eziludumo lulungileyo, ukuba kukho sidima, ukuba kukho ndumiso, zithelekeleleni
ezo zinto.

9Kwaezo zinto nazifundayo, nazamkela, naziva, nazibona kum, yenzani zona ezo;
waye uThixo woxolo eya kuba nani.

Umbulelo kaPawulos ngobubele babaseFilipi

10Ke kaloku ndaye ndivuya eNkosini kakhulu, ukuba ngoku kokugqibela kude kwathi
ukukunyamekela kwenu okwam, kwabuya kwatyatyamba: enaye nikunyamekele
okunene, koko ke naniswele ithuba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Kungekuko ukuba ndithetha ngokuswela; kuba mna ndafunda ukuthi entlalweni endikuyo ndanele.

12Ndiyazana nobuhlwempu, ndiyazana nobutyebi; kuko konke, nasezintweni zonke, ndiqhelanisiwe nokuhlutha kwanokulamba, nokutyeba kwanokuswela.

13Ndinokuzenza izinto zonke, ndikulowo undomelezayo, uKristu.

14Noko ke natyapha ukuba nobudlelane nam ngembandezelo.

15Nani ke baseFilipi, niyazi ukuba, ekuqalekeni kweendaba ezilungileyo ezi, xenikweni ndaphumayo kwelaseMakedoni, akubangakho nalinye ibandla eladlelana nam, ngokusingisele emcimbini wokunikela nowokwamkela, yaba nini nedwa.

16Ngokuba, naseTesalonika, kwaba kanye nakabini nithumela, nindinceda ekusweleni kwam.

17Ingekuko ukuba ndibe ndifuna ukuphiwa; ikukuba ndibe ndifuna isiqhamo esandela emcimbini wenu.

18Ke ndinezinto zonke nje, ndìtyebile, ndìhluthi, ndìzamkele nje kuEpafrodito izinto ezavela kuni: ivumba elimnandi, umbingelelo owamkelekileyo, okholekileyo kakuhle kuye uThixo.

19Ke uThixo wam wókwenzelelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi bakhe, ngokozuko olukuKristu Yesu.

20Kuye ke uThixo, uBawo wethu, malubekho uzuko, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

Imibuliso

21Bulisani bonke abangcwele abakuKristu Yesu. Bayanibulisa abazalwana abanam.

22Bayanibulisa bonke abangcwele, ngokukodwa ke aba bendlu kaKesare.

23Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nani nonke. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseKolose

KwabaseKolose 1

Umbuliso

1UPawulos, umpostile kaYesu Kristu ngokuthanda kukaThixo, noTimoti umzalwana,

2ubhalela abaseKolose, abazalwana abangcwele abakholwayo kuKristu; uthi, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi yethu uYesu Kristu.

Umbulelo nomthandazo

3Sihlala sibulela kuye uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu, xa sinithandazelayo,

4sívile nje ngokukholwa kwenu kuKristu Yesu, nokubathanda kwenu bonke abangcwele,

5ngenxa yethemba eli nalibekelwayo emazulwini; nalivayo ngenxa engaphambili ngalo ilizwi lenyaniso leendaba ezi zilungileyo;

6zikhoyo kuni, njengoko zikhoyo nakulo lonke ihlabathi, zixakatha neziqhamo, kwanjengoko zixakathayongaphakathi kwenu, kususela kwimini enaluvayo, nalwazi, ubabalo lukaThixo ngenyaniso;

7njengoko nafundayo nokufunda kuEpafra, ongumkhonzi oyintánda kunye nathi, engumlungiseleli othembekileyo kaKristu ngenxa yenu;

8owasazisayo nokusazisa uthando lwenu lwaseMoyeni.

9Ngenxa yoku, kususela kwimini esevayo, nathi asiphezi ukunithandazela nokunicelela, ukuze nizaliswe kukukwazi kakuhle ukuthanda kwakhe, ninokulumka nokuqonda konke okukokomoya;

10ukuze nihambe ngokuyifaneleyo iNkosi, nise kuko konke ukukholisa, nixakathe isiqhamo kuwo wonke umsebenzi olungileyo, nikhulela ekumazini uThixo;

11nisomelezwa ngokomelela konke, ngokokuqina kozuko lwakhe, nide nise kuko konke ukunyamezela, nokuzeka kade umsindo, kunye novuyo;

12nibulela kuye uYise, owasenza sakulingana ukwahlulelwa ilifa labangcwele ekukhanyeni;

13owasihlangulayo egunyeni lobumnyama, wasifudusela ebukumkanini boNyana wothando lwakhe,

14esinayo kuye inkululeko ngokuhlawulelwa ngegazi lakhe, ukuxolelwa kwezono ke oko.

Isiqu sikaKristu nomsebenzi wakhe

15Úngumfanekiselo kaThixo ongenakubonwa, owamazibulo kwindalo yonke.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

16Ngokuba zadalelwa kuye zonke izinto, ezisemazulwini nezisemhlabeni,
ezinokubonwa nezingenakubonwa, nokuba ziitrone, nokuba zibubukhosi, nokuba
zizilawuli, nokuba ngamagunya; zonke izinto zidalwe nguye, zidalelwe yena.

17Yena ke ungaphambi kweento zonke, nazo zonke izinto zima zimi kuye.

18Yena ke uyintloko yomzimba, yebandla; oyingqalo, owamazibulo ukuvuka
kwabafileyo, ukuze yena abe ngomkhulu ezintweni zonke.

19Ngokuba kwakholeka ukuthi ukuzaliseka konke kuhlale kuye,

20nokuthi ngaye azixolelanise naye zonke izinto, elwenzile uxolo ngalo igazi
lomnqamlezo wakhe; ewe, ngaye, nokuba zizinto ezisemhlabeni, nokuba
zezisemazulwini.

21Nani, enibe nifudula ningazani noThixo, niziintshaba ngengqondo yenu
emisebenzini yenu engendawo, kukalokunje unixolelanisile ngako ukufa emzimbeni
wenyama yakhe,

22ukuze animise ningcwele, ningenakubekwa bala, ningenakumangalelwa phambi
kwakhe;

23ukuba kaloku nihlala nihleli elukholweni, nisekelwe niqinile, ningashukunyiswa
nimke ethembeni leendaba ezilungileyo ezi nazivayo, zona zashunyayelwayo
kwindalo yonke ephantsi kwezulu; endaba ngumlungiseleli wazo, mna Pawulos.

Isabelo sikaPawulos emsebenzini kaKristu

24Ngoku ndiyavuya ezintlungwini zam ngenxa yenu, ndikuzalisa kanye okusileleyo
kwiimbandezelo zikaKristu, enyameni yam, ngenxa yomzimba wakhe olilo ibandla;

25endaba ngumlungiseleli walo mna ngokokugosisa kukaThixo, awandigosisa ngako
kuni, ukuba ndilizalise ilizwi likaThixo,

26kwaimfihlelo, leyo ke ibifihliwe kwasemaphakadeni nasezizukulwaneni;
kukalokunje ibonakalalisiweyo kubo abangcwele bakhe,

27awathandayo uThixo ukubazísa bona into obuyiyo ubutyebi bozuko lwaloo mfihlelo
phakathi kwazo iintlanga, obunguKristu phakathi kwenu, ithemba lozuko.

28Sazísa yena ke thina, siluleka wonke umntu, sifundisa wonke umntu ngabo bonke
ubulumko, ukuze simise wonke umntu egqibelele ekuKristu Yesu;

29endibulalekela kona oko, ndizama ngokokusebenza kwakhe okusebenzayo kum
ngamandla.

KwabaseKolose 2

1Kuba ndithanda ukuba nikwazi ukuba kukhulu kwako ukuzama endikuzamayo
ngenxa yenu, nabo baseLawodike, nabo bonke abangabubonanga ubuso bam
ngokwenyama;

© 1975 Bible Society of South Africa.

2ukuze zithuthuzelwe iintliziyo zabo, bebandakanyiwe ngothando, kusingise kuyo
yonke indyebo yokuqonda okuqinisekileyo, kusingise ekwazini imfihlelo kaThixo
uYise,

3nekaKristu, ekufihlwe kuye bonke ubutyebi bobulumko nobokwazi.

Ukumanyana noKristu nesilumkiso ngentanda-bulumko obungento yanto

4Nditsho ke, ukuze kungabikho bani unilukuhlayo ngentetho egudileyo.

5Kuba nangona ndingekhoyo ngenyama, khona ngomoya ndinani, ndivuya, ndibona
ulungelelwano lwenu, nokuzimaseka kokukholwa kwenu kuKristu.

6Njengokuba ngoko namamkelayo uKristu Yesu iNkosi, hambani kuye,

7néndelé nakhelwé kuye, naqiniswa ngokholo, njengoko nafundiswayo nafezeka
kulo, ninombulelo.

8Lumkani, kungabikho bani unithimbayo ngayo intanda-bulumko, nangokulukuhla
okungento yanto, ngokwesithethe sabantu, ngokweziqalelo zehlabathi,
kungengokukaKristu.

9Ngokuba kuhleli kuye konke ukuzaliseka kobuThixo ngokomzimba;

10kanjalo nigqibelèle kuye, oyintloko yabo bonke ubulawuli negunya;

11enathi kuye nalùswa nokwalùswa ngolwaluko olungenakwenziwa ngazandla, ngako
ukuhluba umzimba wenyama, ngalo ulwaluko lukaKristu;

12ningcwatywe naye elubhaptizweni; enathi nikuye, navuswa nokuvuswa naye,
ngokukholwa kwenu kukusebenza kukaThixo, owamvusa kubo abafileyo.

13Nani, nífile nje ziziphoso nakukungaluki kwenyama yenu, unidlise ubomi ndawonye
naye, enixolele zonke iziphoso.

14Ewucimile umbhalo wesandla owalana nathi, owawumelene nathi ngayo
imimiselo, uwususile ke kanye, ngokuwubethelela emnqamlezweni;

15ebabhunyule obalawuli nomagunya, wabenza isibonelo ekuhleni, ememelela
ngabo ekuwo umnqamlezo.

16Makungabikho mntu ngoko unigwebayo ngento edliwayo, nangento eselwayo,
nangendawo yomthendeleko, nangenyanga ethwasileyo, nangeesabatha;

17ezisisithunzi sezinto eziza kuza; ke sona isiqu sesikaKristu.

18Makungabikho namnye unilahlekanisa nomvuzo wenu, ethanda ukwenjenjalo
ngokuthobeka kwentliziyo, nangokunqula izithunywa zezulu, engena ezintweni
angazibonanga, efumana wakhukhumaliswa yiyo ingqiqo yenyama yakhe,

© 1975 Bible Society of South Africa.

19engabambe yona iNtloko, ekuphuma kuyo ukuthi umzimba wonke ukhule
ngokukhulisa kukaThixo, uncedwa, ubandakanywa ngako konke
ukuxhomekelelana kwamalungu nemisipha.

20Ukuba ngoko nafa noKristu, nakhululeka kuzo iziqalelo zehlabathi, yini na ukuba
ningè nisadla ubomi ngokwabehlabathi,

21nimiselwe imimiselo (eyokuthi, Musa ukuphatha, musa ukungcamla, musa
ukuchukumisa,

22kanti zonke ezi zinto zezonakaliswa kukudliwa), nenze ngokwemithetho
neemfundiso zabantu?

23Okunene zizinto ezo ezidunyelwe bubulumko ngokunqula okuzithandelayo,
nangokuthobeka kwentliziyo, nangokubandezela umzimba, kodwa kungengambeko
yanelisa inyama.

KwabaseKolose 3

Iziqhamo zokuvuka kunye noKristu

1Ukuba ngoko navuswa kunye noKristu, funani izinto zaphezulu, apho akhona
uKristu, ehleli ngasekunene kukaThixo.

2Nyamekelani izinto zaphezulu, zingabi zezasemhlabeni.

3Kuba nafayo, baye ubomi benu bufihlakele ndawonye noKristu kuye uThixo.

4Xa athe wabonakalaliswa uKristu, obubomi bethu, ngelo xesha niya kubonakalaliswa
nani, ninaye ebuqaqawulini.

5Bhubhisani ngoko amalungu enu asemhlabeni: umbulo, ukungcola, ukuthabatheka
okuhlazisayo, inkanuko embi, nokubawa, okuyinkonzo yezithixo kona oko;

6eza ngenxa yezo zinto ingqumbo kaThixo phezu kwabangevayo;

7enanifudula nihamba phakathi kwazo nani, okuyá nibe nisidla ubomi nikuzo.

8Ke ngoku, nani aba, kulahleni oku konke: ingqumbo, umsindo, ulunya, ukunyelisa;
ukuthetha amanyala kungabikho emlonyeni wenu.

9Musani ukuxokisana, nizihlubile nje umntu omdala, kunye nezenzo zakhe,

10nambatha lowo umtsha, uhlaziyelwa ekwazini okuhle, ngokomfanekiselo walowo
wamdalayo;

11apho kungekho mGrike namYuda, kwalùka nokungaluki, mbharbhari namSkitiya,
khoboka namkhululeki; usuke uKristu waba zizinto zonke, waba kubo bonke.

12Yambathani ngoko, njengabanyulwa bakaThixo, abangcwele, abathandiweyo,
iimfesane zeemfefe, ububele, ukuthobeka kwentliziyo, ubulali, ukuzeka kade
umsindo, ninyamezelana,

© 1975 Bible Society of South Africa.

13nixolelana, ukuba ubani uthi abe nokusola ngakubani; njengokuba naye uKristu
wanixolelayo, yenjani njalo nani.

14Ke, phezu kwazo zonke ezo zinto, yalékani uthando, oluyintambo yogqibelelo.

15Uxolo lukaThixo, enabizelwa kwakulo mzimbeni mnye, malulawule ezintliziyweni
zenu, nibe nokubulela.

16Ilizwi likaKristu malihlale ngaphakathi kwenu ngokobutyebi; nifundisana, nilulekana
ngabo bonke ubulumko; nithi, ngeendumiso neengoma nezango ezizezomoya,
nivume kamnandi entliziyweni yenu kuyo iNkosi.

17Nako konke enisukuba nikwenza ngelizwi, nokuba kungomsebenzi, yenzani izinto
zonke egameni leNkosi uYesu, nibulela ngayo kuye uThixo uYise.

Intlalo yosapho olungamaKristu

18Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, njengoko kufanele abaseNkosini.

19Nina madoda, bathandeni abafazi benu, ningabi bukhali kubo.

20Nina bantwana, balulameleni abazali benu ezintweni zonke; kuba oko kukholekile
kuyo iNkosi.

21Nina boyise, musani ukubacaphukisa abantwana benu, ukuze bangafi iintliziyo.

22Nina bakhonzi, balulameleni ezintweni zonke abaziinkosi zenu ngokwenyama;
kungabi ngankonzo yamehlo, ngathi ningabakholisi-bantu; makube ngokwentliziyo
engenakumbi, nisoyika uThixo.

23Nako konke enisukuba nikwenza, kusebenzeni ngokwasemphefumlweni, kungé
kukwiNkosi, akukhona kubantu;

24nisazi nje ukuba niya kuyamkela eNkosini imbuyekezo yelifa; kuba nikhonza iNkosi
uKristu.

25Lowo umonayo omnye uya kukuthwala oko kona one ngako; kanjalo akukho
kukhetha buso bamntu.

KwabaseKolose 4

1Nina baziinkosi, baphatheni ngokufanelekileyo nangokulungeleleneyo
abanikhonzayo; nisazi nje ukuba nani ngokwenu nineNkosi emazulwini.

2Zingisani ukuthandaza, niphaphamile kuko, ninombulelo;

3kunye noko nisithandazela, ukuze uThixo asivulele umnyango welizwi, ukuba
siyithethe imfihlelo kaKristu, endikhonkxwe ngenxa yayo;

4ukuze ndiyibonakalalise, njengoko ndimelwe kukuthetha ngako.

5Hambani ngobulumko ngakwabo bangaphandle, nilonga ixesha eli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ukuthetha kwenu makuhlale kumnandi, kuvakalisiwe ngetyuwa, ukuze nazi ukuba nimelwe kukuthini na ukuphendula bonke ngabanye.

Imibuliso kwanesiphelo

7Izinto zonke ezilunge nam wonazisa uTikiko, umzalwana oyintanda, umlungiseleli othembekileyo, ongumkhonzi kunye nam eNkosini;

8endimthumele khona oku kuni, ukuze azazi iindawo ezingani, azithuthuzele iintliziyo zenu;

9kunye no-Onesimo, umzalwana othembekileyo, oyintanda, ongomnye wenu. Bonazisa izinto zonke zalapha.

10Uyanibulisa uAristarko, ongumbanjwa ndawonye nam, noMarko umtshana kaBharnabhas, enamkela imithetho ngaye; ukuba uthe weza kuni, mamkeleni;

11noYesu, ekuthiwa nguYusto, kwabolwaluko; ngabo bodwa abasebenzisana nam ngenxa yobukumkani bukaThixo, abathe bona baba sisonwabiso kum.

12Uyanibulisa uEpafra ongomnye wenu, umkhonzi kaKristu, ehlala ezama ngenxa yenu emithandazweni, ukuze nime nigqibeléle, nizalisekile kuko konke ukuthanda kukaThixo.

13Kuba ndiyamngqinela ukuba unenzondelelo enkulu ngenxa yenu, nabo baseLawodike, nabo baseHirapoli.

14Uyanibulisa uLuka, igqirha eliyintanda, noDemas.

15Bulisani kubazalwana abaseLawodike, nakuNimfa, nakulo ibandla elisendlwini yakhe.

16Xa ke le ncwadi ithe yaleswa kuni, ize nenze ukuba ileswe nasebandleni eliseLawodike; nani niyilese leyo iphuma eLawodike.

17Yithini kuArkipo, Lukhangele ulungiselelo owalwamkeláyo lwaseNkosini, ukuze uluzalise.

18Umbuliso lo úngesam isandla, mna Pawulos. Yikhumbuleni imixokelelwane yam. Ubabalo malube nani. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseTesalonika I

KwabaseTesalonika I 1

Umbuliso nombulelo

1UPawulos noSilvano noTimoti babhalela ibandla labaseTesalonika elikuThixo uYise, neNkosi yethu uYesu Kristu; bathi, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi yethu uYesu Kristu.

2Sihlala sibulela kuye uThixo ngenxa yenu nonke; sinikhumbula emithandazweni yethu;

3singayeki ukuwukhumbula umsebenzi wenu wokholo, nokubulaleka kwenu kothando, nokunyamezela kwenu kokuthemba iNkosi yethu uYesu Kristu, phambi koThixo uBawo wethu;

4sikwazi, bazalwana bathandiweyo nguThixo, ukunyulwa kwenu.

5Ngokuba iindaba ezilungileyo zethu azibangakho kuni ngantetho yodwa; zabakho nangamandla, nangoMoya oyiNgcwele, nangenkoloseko enkulu, njengoko naziyo ukuba saba ngabanjani na phakathi kwenu ngenxa yenu.

6Nani naba ngabaxelisa thina nayo iNkosi, nalamkelayo nje ilizwi nisembandezelweni eninzi, ninovuyo loMoya oyiNgcwele;

7nada naba yimifuziselo kubo bonke abakholwayo, abakwelaseMakedoni nelaseAkaya.

8Kuba lahlokoma livela kuni ilizwi leNkosi, akwaba khona kwelaseMakedoni nelaseAkaya lodwa; kusuke ezindaweni zonke ukukholwa kwenu kuThixo kwaduma, ngokokude kungabi safuneka ukuba sithethe nto.

9Kuba bona ngokwabo baxela ngathi, ukuba kwakunjani na ukungena kwethu kuni, nokokuba nathíni na ukuguqukela kuThixo, niphuma kuzo izithixo, ukuze nikhonze uThixo ophilileyo oyinyaniso,

10nilínde uNyana wakhe evela emazulwini, awamvusayo kwabafileyo, kwauYesu, osihlangulayo kuyo ingqumbo ezayo.

KwabaseTesalonika I 2

Ukuthethelela kukaPawulos umsebenzi wakhe wokuhambisa ilizwi

1Kuba nikwazi ngokwenu, bazalwana, ukuba ukungena kwethu kuni akulambathanga;

2sesuka, nakuba besive ubunzima ngenxa engaphambili, siphethwe kakubi eFilipi, njengoko naziyo, asafihlisa, sikuye uThixo wethu, ukuzithetha kuni iindaba ezilungileyo zikaThixo, sinomzamo omkhulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Kuba uvuselelo lwethu aluphumi kulahlekiseni, lungaphumi nasekungcoleni,
lungekhona nasenkohlisweni.

4Sithi, njengoko sicikidiweyo nguThixo, ukuba siphathiswe iindaba ezilungileyo,
senjenjalo ukuthetha; singangi sikholisa abantu, kuba sikholisa uThixo ozicikidayo
iintliziyo zethu.

5Kuba kananjalo, njengoko naziyo, asizanga sibe nantetho yakucengacenga,
namkhusane wakubawa, uThixo ulingqina;

6singafuni nokufuna luzuko bantwini, nokuba kukuni, nokuba kukwabanye; nakuba
besinokuba ngumthwalo ngokwabapostile bakaKristu.

7Thina ke sisuke sathantamisa phakathi kwenu njengomdlezana osukuba ebagcinile
abakhe abantwana;

8ngokunjalo sinilangazelela nje, kwakholeka kuthi ukuba singaneli kunábela iindaba
ezilungileyo zikaThixo nje kodwa, sinabélenobomi bethu, ngenxa enokuba naba
ziintánda kuthi.

9Kuba niyakukhumbula, bazalwana, ukubulaleka kwethu nemigu yethu; kuba
sazivakalisa kuni iindaba ezilungileyo zikaThixo, sisebenza ubusuku nemini, ukuze
singabi mthwalo nakubani kuni.

10Ningamangqina nina kwanoThixo, ukuba saba njani na ukuba ngcwele, nokuba
nobulungisa, nokungabi nakusoleka kuni bakholwayo;

11kwanjengoko naziyo nonke ngabanye, ukuba besixelisa uyise kubantwana bakhe,

12siniyala, sinikhuza, siniqononondisa, ukuba nihambe ngokumfaneleyo uThixo,
onibizelayo kobakhe ubukumkani nobuqaqawuli.

Intshutshiso

13Ngenxa yoko, nathi siyabulela kuye uThixo singayeki, okokuba nathi, ukulamkela
ilizwi likaThixo lodaba kuthi, analamkela lililizwi labantu; nalamkela, njengokuba
kunjalo okwenyaniso, lililizwi likaThixo elisebenzayo nokusebenza kuni bakholwayo.

14Kuba nina, bazalwana, naba ngabaxelisa amabandla kaThixo akwelakwaYuda,
akuKristu Yesu; ngokuba neva kwaobo bunzima nani ngabesizwe sakowenu,
babuváyo nabo ngokwabo kuwe amaYuda;

15wona ayibulaláyo iNkosi uYesu kwanabawo abaprofeti, asitshutshisa nathi,
engamkholosi uThixo, echasene nabantu bonke;

16esalela thina ukuba sithethe kuzo iintlanga, ukuze zisindiswe, esenzela ukuba
azalise izono zawo ngamaxesha onke. Iwafikele ke ingqumbo, kwada
kwasekupheleni.

Ukulangazelela kukaPawulos abafundi bakhe

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Thina ke, bazalwana, sanihluthwayo nje ixesha elifutshane ngesiqu,
kungengantliziyo, sakhuthalela ngokugqithiseleyo ukububona ubuso benu, sinqwena
kakhulu.

18Kungoko sathandayo ukuza kuni, mna Pawulos lo, kwakanye nakabini; wesuka
uSathana wasibambezela.

19Kuba liyintoni na ithemba lethu, novuyo lwethu, nesithsaba sethu soqhayiso?
Asinini aba na, phambi kweNkosi yethu uYesu Kristu ekufikeni kwayo?

20Inene, níni uzuko novuyo lwethu.

KwabaseTesalonika I 3

Ukuthunywa kukaTimoti

1Kungoko kwathi, singasenakuzibamba, kwakholeka kuthi ukuba sisale eAtene
sedwa.

2Sathuma uTimoti, umzalwana wethu, umlungiseleli kaThixo, osebenza nathi
ezindabeni ezilungileyo zikaKristu, ukuze anizimase, anivuselele ngenxa yokholo
lwenu,

3kungabikho namnye ushukunyiswayo zezi mbandezelo; kuba nisazi ngokwenu
ukuba simiselwe zona.

4Kuba xenikweni besikuni, sanixelela ngenxa engaphambili ukuba siza kubandezelwa;
njengokuba kwaba njalo, nani niyazi.

5Ngenxa yoko nam ndithe, ndingasenakuzibamba, ndathumela ukuba ndilwazi
ukholo lwenu, hleze abe unihendile uMhendi, saba sifumane sabulaleka.

6Ngoku ke uTimoti, efikile nje kuthi evela kuni, wasishumayeza iindaba ezilungileyo
zokholo nezothando lwenu; nokuba nihlala ninokusikhumbula okuhle, nilangazelela
ukusibona, kwanjengokuba nathi silangazelelaukunibona.

7Ngenxa yoko sithuthuzelekile, bazalwana, nini, kuyo yonke imbandezelo
nengxakeko yethu ngalo ukholo lwenu;

8ngokuba ngoku siphilile, ukuba nina nithi nime eNkosini.

9Kuba singámbuyekeza ngambulelo mni na uThixo ngani, kulo lonke uvuyo esivuya
ngalo ngenxa yenu phambi koThixo wethu,

10ubusuku nemini síkhunga ngokugqithiseleyo kakhulu, ukuba sibubone ubuso benu,
sikuzalise ukusilela kokholo lwenu?

11Wanga ke uThixo ngokwakhe, uBawo wethu, neNkosi yethu uYesu Kristu,
angayilungisa indlela yethu yokuza kuni.

12Yanga ke iNkosi inganandisa, inityebise eluthandweni, omnye komnye nakubo
bonke, kwanjengokuba nathi sisenjenjalo kuni;

© 1975 Bible Society of South Africa.

13ukuze izizimase iintliziyo zenu, zingabi nakusoleka, zibe ngcwele phambi koThixo
uBawo wethu, ekufikeni kweNkosi yethu uYesu Kristu nabo bonke abangcwele bayo.

KwabaseTesalonika I 4

Iziyalo ezingokuziphatha

1Elokugqiba ngoko, bazalwana, siyanicela siniyala siseNkosini uYesu, ukuba nithi,
njengokuba nakwamkelayo kuthi, okokuba nimelwe kukuthini na ukuhamba
nokumkholisa uThixo, nikhule kuko ngakumbi.

2Kuba niyazi ukuba zaba ziziyalo zini na, esaniyala ngazo ngeNkosi uYesu.

3Kuba oku kukuthanda kukaThixo, ukungcwaliswa kwenu, ukuba nikhumke kulo
uhenyuzo;

4ukuba elowo kuni ákwazi ukusizuza asiphathe esakhe isitya enobungcwalisa,
enembeko;

5angathabatheki yinkanuko, njengeentlanga ezingamaziyo uThixo;

6ukuba kungabikho ugqithisayo, amlumkise umzalwana wakhe emcimbini lowo;
ngenxa enokuba iNkosi ngumphindezeli wazo zonke ezi zinto, njengoko sasinixelele
ngenxa engaphambili, saniqononondisa.

7Kuba uThixo akasibizelanga ekungcoleni; usibizele ebungcwaliseni.

8Ngako oko ke lowo ugibayo, akagibi mntu, ugiba uThixo, owasinikayo nokusinika
uMoya wakhe oyiNgcwele.

9Ke kaloku, ngalo uthando lobuzalwana, akufuneki ukuba ndinibhalele; kuba nina
ngokwenu ningabafundiswe nguThixo ukuba nithandane;

10kuba okunene niyakwenza oko kubo bonke abazalwana abakwelaseMakedoni
liphela. Siyanivuselela ke, bazalwana, ukuba nikhule kuko oko ngakumbi;

11nokuba nizondelele ukuba nizole, nenze ezenu izinto, nisebenze ngezenu izandla,
njengoko saniyalayo;

12ukuze nihambe ngokuzibekileyo ngakwabo bangaphandle, ningasweli nto.

Imeko yabafileyo

13Ke kaloku andithandi ukuba ningazi, bazalwana, mayela nabalele ukufa, ukuze
ningabi buhlungu njengabanye abangenathemba bona.

14Kuba xa sikholwa ukuba uYesu wafa, wabuya wavuka, kwangokunjalo naye uThixo
woza nabo abalele ukufa ngaye uYesu, kunye naye.

15Kuba oku siyakutsho kuni ngelizwi leNkosi ukuthi, thina babudlayo ubomi, bàya
kuba besekho ekufikeni kweNkosi, asisayi kubaphangela abalele ukufa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ngokuba iNkosi ngokwayo iya kuhla emazulwini inendanduluko, inelizwi
lesiphatha-zithunywa, inexilongo likaThixo, baze abafele kuKristu bavuke kuqala;

17sandule thina babudlayo ubomi, basaseleyo, sixwilelwe emafini kwakunye nabo,
siye kuyikhawulela iNkosi esibhakabhakeni; size ngokunjalo sihlale sihleli,
sindawonye neNkosi.

18Ngoko ke thuthuzelanani ngala mazwi.

KwabaseTesalonika I 5

Ukuza kweNkosi nemfuneko yokulinda

1Ke kaloku ngawo amaxesha namathuba, bazalwana, akufuneki nganto ukuba
ndinibhalele;

2kuba nani ngokwenu niyazi ngokucacileyo, ukuba imini yeNkosi, njengesela
ebusuku, yenjenjalo ukuza kwayo.

3Kuba xenikweni baya kuthi, Luxolo nokunqaba, oko baya kufikelwa yintshabalaliso
ngebhaqo, kwanjengenimba komithiyo; baye bengayi kukha basinde.

4Ke nina, bazalwana, ànisebumnyameni, ukuba imini leyo iniqubule njengesela.

5Nonke nina ningabokukhanya, abemini; asingabobusuku, asingabobumnyama.

6Ngoko ke masingalali, njengabanye aba; masiphaphe sibe ziingcathu.

7Kuba abaleleyo balala ebusuku; nabanxilayo banxila ebusuku.

8Ke thina bangabemini masibe ziingcathu; masinxibe isigcina-sifuba sokholo
nothando, nesigcina-ntloko esilithemba losindiso.

9Ngokuba uThixo akasimiselanga ngqumbo; usimisele ukuzuza usindiso ngayo iNkosi
yethu uYesu Kristu;

10owasifelayo, ukuze nokuba sihleli, nokuba silele, sidle ubomi kwakunye naye.

11Kungoko ndithi, Thuthuzelanani, nákhane, kwanjengokuba nisenjenjalo.

Iziyalo ngeziyalo kwanesiphelo

12Ke kaloku siyanicela, bazalwana, ukuba nibazi ababulalekayo phakathi kwenu,
abanongamelayo eNkosini, abanilulekayo,

13nibabeke ngokugqithiseleyo kakhulu ukubathanda, ngenxa yomsebenzi wabo.
Hlalani ninoxolo phakathi kwenu.

14Siyanivuselela ke, bazalwana, balulekeni abanxaxhayo; bakhuzeni abamxhelo
mncinane; basekeleni abathambileyo; yibani nokuzeka kade umsindo kubantu
bonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Lumkani, kungabikho bani ubuyekeza ububi ngobubi nakubani; hlalani niphuthuma okulungileyo omnye komnye, nakubantu bonke.

16Hlalani nivuya.

17Thandazani ningayeki.

18Ezintweni zonke bulelani; kuba oko kukuthanda kukaThixo kuKristu Yesu ngani.

19UMoya musani ukumcima.

20Iziprofeto musani ukuzenza into engento.

21Izinto zonke zicikideni, nibambe leyo intle.

22Khumkani kuzo zonke iintlobo zenkohlakalo.

23Wanga ke uThixo woxolo ngokwakhe anganingcwalisa niphelelisekile; uthi, ugqibelele owenu umoya nomphefumlo nomzimba, ugcinwe ngokungenakusoleka ekufikeni kweNkosi yethu uYesu Kristu.

24Uthembekile onibizayo, oya kukwenza nokukwenza oko.

25Bazalwana, sithandazeleni.

26Babuliseni abazalwana bonke ngolwango olungcwele.

27Ndiyanifungisa iNkosi ukuba le ncwadi ileswe kubo bonke abazalwana abangcwele.

28Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nani. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KwabaseTesalonika II

KwabaseTesalonika II 1

Umbuliso nombulelo

1UPawulos noSilvano noTimoti babhalela ibandla labaseTesalonika, elikuThixo
uBawo wethu, neNkosi yethu uYesu Kristu;

2bathi, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uBawo, neNkosi yethu uYesu
Kristu.

3Simelwe kukuhlala sibulela kuThixo ngenxa yenu, bazalwana, njengokuba
kufanelekile, ngokuba lukhula ngokugqithiseleyo ukholo lwenu, lusanda uthandano
lwenu nonke ngabanye;

4ngokokude thina ngokwethu siqhayise ngani emabandleni kaThixo, ngenxa
yonyamezelo lwenu, nokholo lwenu, ezintshutshisweni zenu zonke,
nasezimbandezelweni enizinyamezelayo;

5umbonakaliso ke lowo womgwebo onobulungisa kaThixo, ukuze nibalelwe ekuthini
nibufanele ubukumkani bukaThixo, enithi ngenxa yabo nive nokuva ubunzima;

6ukuba kanti yinto ebubulungisa kuThixo ukubabuyekeza ngembandezelo
abanibandezelayo;

7athi, nina babandezelwayo, anibuyekeze ngokuniphumza kunye nathi, ekutyhilekeni
kweNkosi uYesu, ivela emazulwini inezithunywa zamandla ayo;

8inomlilo odangazelayo, ibaphindezela abangamaziyo uThixo, nabangazilulameliyo
iindaba ezilungileyo zeNkosi yethu uYesu Kristu;

9bona abo baya kuva ukubethwa, intshabalalo engunaphakade ke leyo, bemke
ebusweni beNkosi, nasebuqaqawulini bokomelela kwayo;

10xa ithe yeza kuzukiswa kubangcwele bayo, imangaliseke kubo bonke abakholwayo
(ngokuba nakholwa bubungqina bethu kuni), ngaloo mini.

11Ngoko ke sihlala sithandaza nokuthandaza ngenxa yenu, ukuba uThixo wethu
anibalele ekuthini nilufanele ubizo lwenu, azalise ngokunamandla konke ukukholiswa
kukulunga, nomsebenzi wokholo;

12ukuze lizukiswe igama leNkosi yethu uYesu Kristu kuni, nani nizukiswe kuye,
ngokobabalo lukaThixo wethu, neNkosi yethu uYesu Kristu.

KwabaseTesalonika II 2

Izimvo eziphazamisayo ngokuza kweNkosi

1Ke kaloku siyanicela, bazalwana, ngenxa yokufika kweNkosi yethu uYesu Kristu,
nokuhlanganiselwa kwethu kuyo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

2ukuba ningazanyazanyiswa kwakamsinya, nahlukane nengqiqo; ukuba ningabi navuso ngamoya, ngalizwi, ngancwadi ingáthi, ivela kuthi, ngokungáthi iselingene imini leyo kaKristu.

3Makungabikho bani unilukuhlayo nangalunye uhlobo; ngokuba ayinakufika yona, lungakhanga lufike ulahlo kuqala, atyhileke umntu wesono, unyana wotshabalalo;

4lowo uchasayo, uziphakamisayo ngaphezu kwento yonke ekuthiwa nguThixo, nehlonelwayo, ngokokude azihlalise etempileni kaThixo, ezenza uThixo, ezibonisa ukuba unguThixo.

5Ànikhumbuli na, ukuba oko bendisekuni ndanixelela ezi zinto?

6Nangoku niyakwazi okubambezelayo, ukuze atyhileke ngelakhe ixesha.

7Kuba imfihlelo yokuchasana nomthetho iselisebenza; kodwa kulindwe ukuba ade lowo ubambezelayo ngoku asuswe kanye.

8Andule ukutyhileka ongenamthetho; lowo iya kumtshisa iNkosi ngomoya womlomo wayo, imbangise ngokubonakala kokufika kwayo:

9kwalowo, úkufika kungokokusebenza kukaSathana, ngayo imisebenzi yonke yamandla,

10nemiqondiso, nezimanga zobuxoki, nangako ukulukuhla konke kokungalungisi kwabo batshabalalayo; ngenxa enokuba bengakwamkelanga ukuyithanda inyaniso, ukuze basindiswe.

11Nangenxa yoko, uThixo uya kubathumela ulahlekiso olusebenza ngamandla, ukuze bakholwe bubuxoki;

12ukuze bagwetywe bonke abangakholwanga yiyo inyaniso, básuka bakholiswa kuko ukungalungisi.

Omnye umbuliso nombulelo

13Ke thina simelwe kukuhlala sibulela kuye uThixo ngenxa yenu, bazalwana bathandiweyo yiNkosi, ukuba uThixo kwasekuqalekeni waninyulela ukusindiswa, ngokungcwalisa koMoya nokukholwa yinyaniso;

14awanibizela kuko oko ngazo iindaba ezilungileyo zethu, ukuba nizuze uzuko lweNkosi yethu uYesu Kristu.

15Ngoko ke, bazalwana, yimani, nizibambe izithethe enazifundiswayo, nokuba kungelizwi, nokuba kungencwadi yethu.

16Ke kaloku, iNkosi yethu uYesu Kristu ngokwayo, noThixo uBawo wethu owasithandayo, wasinika intuthuzelo engunaphakade, nethemba elilungileyo ngobabalo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

17wanga angazithuthuzela iintliziyo zenu, anizimase kuwo onke amazwi nemisebenzi elungileyo.

KwabaseTesalonika II 3

Iziyalo zokugqibela nesiphelo

1Elokugqiba, sithandazeleni, bazalwana, ukuba ilizwi leNkosi likhawuleze, lizukiswe, njengoko lenjenjalo nakuni;

2nokuba sihlangùlwe ebantwini abangendawo, abakhohlakeleyo; kuba ukholo alubantwini bonke.

3Ithembekile ke yona iNkosi, eya kunizimasa, inigcine kuyo inkohlakalo.

4Sikholosé ngani ke ngokwaseNkosini, ukuba izinto esinithethela zona niyazenza, nabe nisaya kuzenza.

5Yanga ke iNkosi ingáthi iintliziyo zenu izikhokelele eluthandweni lukaThixo, naselunyamezelweni lukaKristu.

6Ke kaloku siyanithethela, bazalwana, egameni leNkosi yethu uYesu Kristu, ukuba nikhwebuke kubo bonke abazalwana abahamba ngokunxaxha, bengahambi ngokwesithethe abasamkeláyo kuthi.

7Kuba niyazi ngokwenu, ukuba nimelwe kukuthini na ukusilinganisa; ngokuba asinxaxhanga phakathi kwenu.

8Asidlanga sonka samntu ngesisa; sidle ngokubulaleka nangemigu, sisebenza ubusuku nemini, ukuze singabi bunzima nakubani kuni;

9kungengakuba sasingenagunya; senzela ukuze sizinikele sibe ngumfuziselo kuni, nize nina nixelise thina.

10Kuba naxenikweni besikuni, sanithethela ngelithi, Ukuba umntu akathandi kusebenza, makangadli nokudla.

11Kuba siyeva ukuba inxenye phakathi kwenu ihamba ngokunxaxha, ingasebenzi nento, izifaka kwizinto zabanye.

12Abanjalo ke siyabathethela, sibavuselela ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu, ukuba bathi, besebenza ngokuzola, badle esisesabo isonka.

13Ke nina, bazalwana, musani ukutha amandla ekwenzeni okulungileyo.

14Ukuba ke kukho bani ungalilulameliyo ilizwi lethu ngencwadi le, mqondeni lowo, ningazidibanisi naye, ukuze adane.

15Noko ke ze ningambaleli ekuthini ulutshaba; manimluleke njengomzalwana.

16Yanga ke iNkosi yoxolo ngokwayo inganinika uxolo ngamaxa onke, ngeendlela zonke. INkosi mayibe nani nonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Umbuliso ngesam isandla, mna Pawulos. Nguwo lowo umqondiso kuzo zonke
iincwadi; ndenjenjalo ukubhala.

18Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nani nonke. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KuTimoti I

KuTimoti I 1

Umbuliso nesilumkiso ngemfundiso engeyiyo

1UPawulos, umpostile kaYesu Kristu, ngokommiselo kaThixo uMsindisi wethu,
neNkosi yethu uYesu Kristu, iThemba lethu,

2ubhalela uTimoti, umntwana wakhe kanye ngokwaselukholweni; uthi, Makube
lubabalo, inceba, uxolo, oluvela kuThixo uBawo, noKristu Yesu iNkosi yethu.

3Njengoko ndakuyalayo ukuba uhlale e-Efese, ndakuba mna ndisiya
kwelaseMakedoni, ndenjenjalo ukukuyala nangoku, ukuze ubathethele abanye,
bangafundisi mfundiso yimbi;

4kananjalo banganyamekeli zintsomi namilibo yakuzalwa engaphele ndawo, izinto
ezo ezibanga iimbuzwano, zingahambisi lona ulwakho lukaThixo olungokholo.

5Ke intsingiselo yoyalo iluthando oluphuma entliziyweni ehlambulukileyo,
nasesazeleni esilungileyo, naselukholweni olungahanahanisiyo;

6abathe abathile, beziphosile ezo nto, baphambukela ekuthetheni okungento yanto;

7bethanda ukuba ngabafundisi bomthetho, phofu bengaziqiqi izinto abazithethayo,
kwanezo bazingqinayo.

8Siyazi ke ukuba umthetho mhle, ukuba umntu uthi awuphathe ngokomthetho;

9ngokwazi oku, ukuba umthetho lo awuwiselwe lungisa, uwiselwe ke abachasene
nomthetho, nabangenakululama, abangahloneli Thixo, nabangaboni,
abangengcwele, nabahlambeli, ababethiyise nababethi-nina, izigwinta,

10abenzi bombulo, amadoda alalanayo, amasela abantu, amaxoki, amafunga-buxoki,
nokuba kukho nto yimbi ichasene nemfundiso ephilileyo;

11ngokweendaba ezilungileyo zozuko lukaThixo osikelelekileyo, endaphathiswa zona
mna.

Ukubulela kukaPawulos inceba kaThixo

12Kananjalo ndinombulelo kowandomelezayo, uKristu Yesu iNkosi yethu, kuba
wandibalela ekuthini ndithembekile, endimisela ebulungiselelini;

13nakuba ngaphambili ndandingumnyelisi, nomtshutshisi, nomphathi kakubi;
ndesuka ndenzelwa inceba, ngokuba ndakwenza oko ndingazi, ndisekungakholweni;

14ke lwanda ngokuncamisileyo ubabalo lweNkosi yethu, lunokholo nothando
olukuKristu Yesu.

15Lithembekile ilizwi eli, lifanelwe kukwamkelwa konke, eli lokuba uKristu Yesu weza
ehlabathini ukuba asindise aboni; endingomkhulu kubo mna;

© 1975 Bible Society of South Africa.

16noko ke ndesuka ndenzelwa inceba ngenxa yoku, ukuze uYesu Kristu akubonakalalisele kum, mna ungomkhulu, konke ukuzeka kade umsindo, ndibe ngumzekelo kwabo baza kukholwa kuye, base ebomini obungunaphakade.

17Ke kaloku, kuye uKumkani wawo amaphakade, ongenakonakala, ongenakubonakala, kuThixo olumkileyo yedwa, makubekho imbeko nozuko, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

18Olu yalo ndilubeka phambi kwakho, mntwana wam Timoti, ngokweziprofeto ezandulelayo ngawe, ukuze ulwe ngazo ukulwa okuhle,

19unokholo nesazela esilungileyo, ethe inxenye, isigibile, yaphukelwa ngumkhombe mayelana nokholo;

20inoHimenayo noAlesandire, endabanikelayo kuSathana, ukuze baqeqeshwe ukuba banganyelisi.

KuTimoti I 2

Imigqaliselo ngonqulo lwabantu bonke

1Ndiyavuselela ngoko kuqala kwiinto zonke, ukuba kwenziwe izikhungo, imithandazo, izibongozo, imibulelo, ngenxa yabantu bonke;

2ngenxa yookumkani nabo bonke abasekongameni, ukuze sihlale ngokonwaba nangokuzola, sinokuhlonela uThixo, nokundileka konke.

3Kuba oku kuhle, kwamkelekile emehlweni oMsindisi wethu uThixo;

4onga yena bangasindiswa bonke abantu, bafikelele ekuyazini inyaniso.

5Kuba mnye uThixo; mnye nomlamli phakathi koThixo nabantu, umntu uKristu Yesu,

6lowo wazinikelayo ukuba abe yintlawulelo yokukhulula abantu bonke; ubungqina ke obo bokungqinwa ngamaxesha angawabo;

7endithe ndamiselwa bona mna, ukuba ndibe ngumshumayeli nompostile (ndithetha inyaniso ndikuKristu, andixoki), umfundisi weentlanga elukholweni nasenyanisweni.

8Ngoko ndinga angathandaza amadoda kuzo zonke iindawo, ephakamisa izandla ezingcwele, engenangqumbo, engenantandabuzo.

9Kwangokunjalo mabathi nabafazi banxibe iingubo ezifanelekileyo, beneentloni, benesidima, ingabi kukuphotha iinwele, nokunxitywa kwegolide neeperile, nesambatho esixabiso likhulu;

10mabathi (ngokufanele abafazi abathi bahlonela uThixo), bavathe imisebenzi elungileyo.

11Umfazi, ezolile, makafunde ethobele konke.

12Umfazi ke andimvumeli ukuba afundise, nokuba ayilawule indoda; makazole.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Kuba kwabunjwa uAdam kuqala, kwandula ke ukubunjwa uEva.

14Kanjalo akulukuhlwanga Adam; kulukuhlwe umfazi, waba sekugqitheni.

15Noko ke wosindiswa ngokuzala, ukuba bathe bema elukholweni, naseluthandweni, nasebungcwaliseni, benesidima.

KuTimoti I 3

Abaveleli

1Lithembekile ilizwi eli lithi, Ukuba ubani ungxamele ubuveleli, unqwenela umsebenzi omhle.

2Umveleli ngoko umelwe kukuthi abe ngongenakukhalazelwa, eyindoda yamfazi mnye, eyingcathu, enesidima, ezibekile, ebuka iindwendwe, enokufundisa;

3engàgeziswa yiwayini, engembethi, engemngxameli wanzuzo imbi. Makabe ngothantamisayo, engalwi, engemthandi wamali;

4eyongamele kakuhle eyakhe indlu, abantwana bakhe bemthobele, benokundileka konke

5(kuba ukuba umntu akakwazi ukuyongamela eyakhe indlu, angathini na ukuphatha ibandla likaThixo?);

6angabi ngosandula ukungeniswa, ukuze angàthiwa lwale likratshi, eyele ekugwetyweni koMtyholi.

7Kanjalo ke umelwe kukuthi abe nobungqina obuhle obuvela kwabangaphandle, ukuze angeyeli engcikivweni nasesibatheni soMtyholi.

8Kwangokunjalo abalungiseleli bamelwe kukuba nokundileka, bangabi ntlolela yombini, bangazinikeli kwiwayini eninzi, bangangxameli nzuzo imbi;

9mababe nemfihlo yokholo esazeleni esihlambulukileyo.

10Nabo aba ke mabacikidwe ukuqala; bandule ke ukulungiselela, bengabangénakumangaleleka.

11Kwangokunjalo abafazi bamelwe kukuba nokundileka, bangabi ngabahlebi; mababe ziingcathu, bathembeke ezintweni zonke.

12Abalungiseleli mababe ngamadoda abafazi ngabanye, besongamela kakuhle abantwana nezindlu ezizezabo.

13Kuba abo balungiselele kakuhle, bazizuzela isimo esihle, nokungafihlisi okukhulu ekukholweni, okukuKristu Yesu.

14Ezi zinto ndizibhala kuwe, ndithembe ukuba ndiya kuza kuwe kamsinya.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ukuba ke ndithe ndalíbala, ndikubhalela ukuze wazi, ukuba kumelwe kukuthiwani
na ukuhanjwa endlwini kaThixo, yona ilibandla likaThixo ophilileyo, intsika nesiseko
sayo inyaniso.

16Kananjalo, ngokuvunyiweyo, inkulu imfihlelo yona leyo yokuhlonela uThixo: lowo
wàbonakalaliswa esenyameni, wagwetyelwa esemoyeni, wabonakala kwizithunywa
zezulu, wavakaliswa phakathi kweentlanga, kwakholwa kuye ehlabathini, wenyuswa
waba sebuqaqawulini.

KuTimoti I 4

Ukulunyukiswa ngabafundisi abalahlekisayo

1Ke kaloku uMoya uthi ngokucacileyo inxenye iya kumka elukholweni, ngamaxesha
asemva, inyamekele oomoya abalahlekisayo, neemfundiso zeedemon;

2imka nohanahaniso lwabathetha ubuxoki, betshiswe isazela sabo ngentsimbi;

3bengavumi ukuba kuzekwe, nokuba kudliwe izinto ezadalwa nguThixo, ukuze
zamkelwe ngombulelo ngabo bakholwayo, bayaziyo inyaniso.

4Ngokuba sonke isidalwa sikaThixo sihle; asiyonto yakulahlwa, ukuba samkelwe
ngombulelo;

5kuba singcwaliswa ngalo ilizwi likaThixo nangezibongozo.

6Ukuba ùthe ezi zinto wazibeka phambi kwabazalwana, wòba ngumlungiseleli omhle
kaYesu Kristu, wondliwe ngamazwi okholo, nawemfundiso entle oyilandelayo.

7Ke zona iintsomi ezihlambelayo zamaxhegokazi zimangale.

8Ziqhelise ukuhlonela uThixo. Kuba eyeyomzimba ingqeqesho inceda kancinane; ke
kona ukuhlonela uThixo kunceda ngako konke, kunedinga lobomi bakalokunje,
nobobo buza kubakho.

9Lithembekile ilizwi elo, lífanelwe kukwamkelwa konke.

10Kuba sibulalekela, singcikivelwe oko; ngokuba sithembele kuThixo ophilileyo,
onguMsindisi wabantu bonke, ngokukodwa owabakholwayo.

Ubomi bukaTimoti neemfundiso zakhe

11Bathethele ezi zinto, ufundise zona.

12Makungabikho namnye ubudelayo ubuncinane bakho; suka ube ngumzekelo
wabakholwayo ngentetho, ngehambo, ngothando, ngokholo, ngobunyulu.

13Nyamekela imfundo, uvuselelo, imfundiso, ndide ndifike.

14Ungasihilizeli isipho esingokubabalwa, esikuwe; owasinikwayo ngesiprofeto, kunye
nokubekwa izandla yintlanganiso yamadoda amakhulu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Zinyamekele ezo zinto, hlala kwezo zinto, ukuze ukuhambela kwakho phambili
kubonakale kwinto yonke.

16Zilumkele wena nemfundiso yakho; hlala uhleli kwezo zinto; kuba ngokwenza oko,
wozisindisa wena, ubasindise nabo bakuvayo.

KuTimoti I 5

1Indoda enkulu musa ukuyithethisa kabukhali, yiyale njengoyihlo; amancinane,
njengabazalwana;

2abafazi abakhulu, njengoonyoko; abancinane, njengoodade, unobunyulu bonke.

Ukuphathwa kwabahlolokazi abasebandleni

3Babeke abahlolokazi abangabahlolokazi ngenene.

4Ke ukuba kukho mhlolokazi uthile unabantwana, nokuba ngabazukulwana, ukuqala
mabafunde ukuhlonela elabo ikhaya, bababuyekezele umbuyekezo ooninakhulu;
kuba oko kuhle, kwamkelekile emehlweni kaThixo.

5Ke yena ongumhlolokazi ngenene, eshiywe yedwa, uthembela kuThixo; uhlala ehleli
ekukhungeni nasemithandazweni ubusuku nemini.

6Kodwa yena oxhamla iziyolo ufile, nakuba ngathi udla ubomi.

7Bathethele ezi zinto, ukuze bangabi nakukhalazeleka.

8Ukuba ke umntu akabakhathalele abakhe, ngokukodwa abendlu yakhe, ulukhanyele
ukholo, unobubi ngaphezu kongakholwayo.

9Makangabalelwa enanini labahlolokazi umhlolokazi ongaphantsi kweminyaka
emashumi mathandathu; owayengumfazi wandoda-nye,

10engqinelwe ngemisebenzi emihle, ukuba wondlé abantwana, ukuba wamkéle
iindwendwe, ukuba uzihlambile iinyawo zabangcwele, ukuba ubasizile
ababandezelweyo, ukuba usukelene nemisebenzi yonke elungileyo.

11Ke bona abahlolokazi abatsha bamangale; kuba xa bathe badimala nguKristu,
bothanda ukwenda;

12benesigwebo sokuba balutshitshisile ukholo lokuqala.

13Kunye noko ke bafunda ukungasebenzi nto, bethungelana nezindlu; banganeli
kungasebenzi nto kodwa, basuka kananjalo babe ngamapholopholo, bazifake
kwizinto zabanye, bathethe izinto ezingafanelekileyo.

14Ngoko ndinga abahlolokazi abatsha bangenda, bazale, babe ngabanikazi-mizi,
bangamniki ochasayo nalinye ithuba lokutshabhisa.

15Kuba inxenye iseyiphambukele emva koSathana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ukuba kukho ikholwa, nokuba likholwakazi, elinabahlolokazi, malibasize, lize ibandla lingasindwa, ukuze lona lisize abangabahlolokazi ngenene.

Amadoda amakhulu

17Amadoda amakhulu, awongamela kakuhle, makabalelwe ekuthini afanelwe yimbeko ephindwe kabini, ngokukodwa lawo abulalekayo elizwini nasemfundisweni.

18Kuba sítsho isibhalo ukuthi, Uze ungayibophi umlomo inkomo ibhula; nokuthi, Umsébenzi uwufanele umvuzo wakhe.

19Ukumangalelwa kwendoda enkulu musa ukukwamkela, kungabangakho mangqina mabini nokuba mathathu.

20Abo bonayo, bohlwaye emehlweni abantu bonke, ukuze nabanye aba babe nokoyika.

21Ndiyakuqononondisa emehlweni kaThixo, neNkosi yethu uYesu Kristu, nezithunywa zezulu ezinyuliweyo, ukuba uzigcine ezi zinto ungaqali ugwebe, ungenzi nto ngokwayama bani.

22Ungangxami ubeke izandla phezu kukabani, kanjalo ungadlelani nabanye ngezono zabo; zigcine nyulu.

23Musa ukuba sasela manzi; sela intwana yewayini, ngenxa yesisu sakho, nobulwelwe bakho obufuthi.

24Izono zabanye abantu zisekuhleni kanye, ziyandulela ukuya emgwebeni; abanye ke ziyabalandela nokubalandela.

25Kwangokunjalo nemisebenzi emihle isekuhleni kanye, naleyo ingenjalo ayinako ukufihlakala.

KuTimoti I 6

Amakhoboka

1Onke ke amakhoboka àphantsi kwedyokhwe, ndinga ke angababalela abaniniwo ekuthini, bafanelwe yimbeko yonke, ukuze igama likaThixo nemfundiso inganyeliswa.

2Lawo ke ankosi zikholiweyo, makangazideli ngakuba zingabazalwana; makube kukhona azikhonzayo, ngokuba zingamakholwa, ziziintánda ezingamadlelana ngomsebenzi wokusiza. Bafundise ezi zinto, ubavuselele.

Imfundiso yobuxoki

3Ukuba umntu ufundisa mfundiso yimbi, angavumani namazwi aphilileyo angaweNkosi yethu uYesu Kristu, nemfundiso engokokuhlonela uThixo:

4úthiwe lwale likratshi, engazi lutho kakuhle; ufa kukukhanuka iimbuzwano namaphike amazwi, ekuthi kwezo nto kuphume umona, iinkani, izinyeliso,

© 1975 Bible Society of South Africa.

5izirhano ezingendawo, iimpikiswano zochuku lwabantu abonákele iingqiqo,
abahluthwe inyaniso, beba ukuhlonela uThixo kukusekeleza inzuzo.

Obona butyebi

6Ke kona ukuhlonela uThixo, kúndawonye nokwanela, kusekelezé inzuzo enkulu.

7Kuba sibe singangénanga nanto ehlabathini; kuyabonakala kananjalo ukuba
asinakuphuma nanto.

8Sinento ke edliwayo neyambathwayo, masanele zezo zinto.

9Ke abo banga bangaba zizityebi, beyela ekuhendweni, nasesibatheni,
nasezinkanukweni ezininzi ezibubudenge ezenzakalisayo; zona zibatshonisayo
abantu ekonakaleni, nasekutshabalaleni.

10Kuba ukuthanda imali yingcambu yeento zonke ezimbi: abathe abathile,
ngokuzolulela kuko, balahlekana nokholo, bazibhodloza ngobuhlungu obuninzi.

Iziyalo ezisingisa emntwini

11Ke wena, mntu kaThixo, zibaleke ezo zinto; phuthuma ke ubulungisa, ukuhlonela
uThixo, ukholo, uthando, unyamezelo, ubulali.

12Wuzame umzamo omhle wokholo; bubambe ubomi obungunaphakade,
owabizelwa nokubizelwa kubo, waza waluvuma uvumo oluhle emehlweni amangqina
amaninzi.

13Ndiyakuthethela emehlweni kaThixo, ozidlisa ubomi zonke izinto, nasemehlweni
kaKristu Yesu, owangqina wavuma uvumo oluhle phambi koPontiyo Pilato,

14ukuba uwugcine umthetho lo, ungabi nabala, ungabi nakukhalazelwa, kude kufike
ukubonakala kweNkosi yethu uYesu Kristu,

15aya kukubonakalisa ngawakhe amaxesha; lowo usikelelekileyo, ukuphela
konamandla, uKumkani kakumkani, uNkosi kankosi;

16okuphela konokungafi, ehleli ekukhanyeni okungenakusondelwa; ekungekho
namnye kubantu owakha wambona, nonako ukumbona; kuye makubekho imbeko
namandla angunaphakade. Amen.

17Abazizityebi kweli phakade langoku bathethele bangakratshi, bangathembeli
butyebini bungagqalekiyo; mabathembele kuThixo ophilileyo, obeka phambi kwethu
izinto zonke ngokobutyebi, ukuba zidliwe;

18benze okulungileyo, babe zizityebi zemisebenzi emihle, babe nokwaba kakuhle,
babe nobudlelane;

19baziqwebele isiseko esihle, base exesheni eliza kuza, ukuze babubambe ubomi
obungunaphakade.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[20]Wa, Timoti, loo nto uyiphathisiweyo yigcine, uphambuke ezintethweni ezingezizo, ezihlambelayo, nakwiinkcaso zokwazi, okubizwa njalo kuxokwa;

[21]ábasuke abathile, bethe banako oku kwazi, baluphosa ukholo. Ubabalo malube nawe. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KuTimoti II

KuTimoti II 1

Umbuliso nombulelo

1UPawulos, umpostile kaYesu Kristu ngokuthanda kukaThixo, ngokwedinga lobomi
obukuKristu Yesu, ubhalela uTimoti,

2umntwana wakhe oyintanda; uthi, Makube lubabalo, nenceba, noxolo oluvela
kuThixo uYise, noKristu Yesu iNkosi yethu.

3Ndinokubulela kuye uThixo, endamkhonzayo kwakoomawokhulu ndinesazela
esihlambulukileyo, ndíkukhumbula njengokungapheliyo, ekukhungeni kwam
ubusuku nemini;

4ndilangazelela ukunga ndingakubona, ndízikhumbula nje iinyembezi zakho, ukuze
ndizaliswe luvuyo;

5ndíkhunjuzwa nje ukholo olukuwe olungenakuhanahanisa, lona lwahlalayo kuqala
kunyokokhulu uLoyisi, nakunyoko uYunike, endinyanisileyo ke ukuthi luhleli nakuwe.

Isiyalo esingenzondelelo

6Endithi ngenxa yelo thuba ndikukhumbuze, ukuba usikhwezele isipho sokubabalwa
kwakho nguThixo, esikhoyo kuwe ngokubekwa kwezandla zam phezu kwakho.

7Kuba uThixo akasinikanga moya wabugwala; wasinika owamandla, nowothando,
nowesidima.

8Ngoko ke musa ukuba nazintloni ngabo ubungqina beNkosi yethu, nangam, mna
mbanjwa wayo; suka uve ububi kunye nam ngenxa yeendaba ezilungileyo,
ngokwamandla kaThixo; owasisindisayo,

9wasibiza ngobizo olungcwele, engenzi ngokwemisebenzi yethu, esenza
ngokweyakhe ingqibo, nobabalo, esababalwa ngalo ngoKristu Yesu phambi
kwamaxesha aphakade;

10lwabonakaliswa ke ngoku ngako ukubonakala koMsindisi wethu uYesu Kristu,
owakubhangisayo okunene ukufa, kodwa wabukhanyisa ubomi nokungonakali,
ngazo iindaba ezilungileyo ezi;

11endamiselwa zona mna, ndaba ngumvakalisi nompostile nomfundisi weentlanga;

12endithi kananjalo ngenxa yeli thuba ndive obu bunzima. Noko ke andinazintloni;
kuba ndiyamazi endikholiweyo nguye; kanjalo ndithi, ndeyisekile ukuba únako
ukuyigcina into endimphathisileyo, ese kuloo mini.

13Umzekelo wamazwi aphilileyo owawevayo kum, wubambe elukholweni
naseluthandweni olukuKristu Yesu.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

14Loo nto intle uyiphathisiweyo, yigcine ngoMoya oyiNgcwele ohleliyo ngaphakathi kwethu.

15Oku uyakwazi, ukuba bandinikele umva bonke abaseAsiya; abanoFigelo noHermogene.

16Yanga iNkosi ingayenzela inceba indlu kaOnesiforo; ngokuba kwaba futhi endiphumza, akaba nazintloni nguwo umxokelelwane wam.

17Wathi akuba eseRoma, wandifuna ngokukhuthala okukhulu, wandifumana.

18Yanga iNkosi ingamfumanisa inceba eNkosini ngaloo mini. Nguwena waziyo kakuhle oko zingako izinto awalungiselela ngazo e-Efese.

KuTimoti II 2

1Wena ngoko, mntwana wam, yomelela elubabalweni olukuKristu Yesu;

2uthi nezinto owazivayo kum ngamangqina amaninzi, ezo uzibeke phambi kwabantu abathembekileyo, bona baya kukulingana ukufundisa nabanye.

3Wena ngoko bunyamezele ububi, njengomphumi-mkhosi olungileyo kaKristu Yesu.

4Akukho namnye uthi, ephuma umkhosi, azibhijele ngemicimbi yobu bomi; ukuze amkholise lowo umnyulele ukuphuma umkhosi.

5Nakuba ke ubani esithi azame emdlalweni, akathweswa sithsaba, ukuba akathanga azame ngokomthetho.

6Umlimi lowo ubulalekayo, umelwe kukwamkela kuqala kwiziqhamo.

7Ziqiqe izinto endizithethayo; iNkosi yokupha ke ingqondo ezintweni zonke.

8Mkhumbule uYesu Kristu, engovukileyo kwabafileyo, engowembewu kaDavide, ngokweendaba zam ezilungileyo;

9endiva ububi ngenxa yazo, kude kuse ezintanjeni, njengomenzi wobubi; ke lona ilizwi likaThixo alibotshiwe.

10Ngenxa yoko izinto zonke ndiyazinyamezela ngenxa yabo abanyulwa, ukuze nabo bamkele usindiso olukuKristu Yesu, ndawonye nozuko olungunaphakade.

11Lithembekile ilizwi eli: Kuba xa safa naye, sodla ubomi kwandawonye naye;

12ukuba siyanyamezela, solawula kwandawonye naye; ukuba siyamkhanyela, naye wosikhanyela;

13ukuba asithembekile, yena uhlala ethembekile; akanako ukuzikhanyeza.

Ukulunyukiswa ngempikiswano

14Bakhumbuze ezo zinto, uqononondise emehlweni eNkosi, ukuba kungènziwa mfazwe yamazwi angancedi lutho, kuze kubhukuqeke abaphulaphuli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kukhuthalele ukuzimisa phambi koThixo úcikidekile, ungumsébenzi ongenazintloni, ulungisa ukulahlula ilizwi lenyaniso.

16Ke zona iintetho ezingento, ezihlambelayo, zinxweme; kuba ziya kuhambela phambili kokukhona kungahloneli Thixo.

17Nelizwi labo liya kudla njengesilonda esiqhenqethayo; abanoHimenayo noFileto,

18abathe bona bayiphosa inyaniso, besithi uvuko seluthe lwakho, kananjalo belubhukuqa ukholo lwenxenye.

19Noko ke limi, lithe nkqi, ilitye lesiseko likaThixo, linambhalo uthi, INkosi iyabazi abangabayo; nóthi, Mabasuke kuko ukungalungisi, bonke abalibizayo igama likaKristu.

20Ke endlwini enkulu akubikho zitya zagolide nazasilivere zodwa; kubakho nezomthi nezomdongwe. Inxenye ke zezembeko, inxenye azizambeko.

21Ukuba ngoko umntu uthe wazikhuphulula kwezo zinto, woba sisitya sembeko, singcwalisiwe, simlungele kakuhle umninindlu, silungiselwe wonke umsebenzi olungileyo.

22Ke zibaleke iinkanuko zobutsha; phuthuma ke ubulungisa, ukholo, uthando, uxolo nabo bayinqulayo iNkosi ngokwasentliziyweni ehlambulukileyo.

23Yinxweme imibuzwana yobudenge engenangqeqesho, usazi ukuba izala imfazwe.

24Ke umkhonzi weNkosi akamele kulwa; umele ukuba nokuthantamisa kubantu bonke, enokufundisa,

25enyamezela ububi, ebaqeqesha ngobulali abo baphikayo; ukuba akangethi na kanti uThixo abaphe inguquko esa ekuyazini inyaniso, babuye baqabuke,

26baphume esibatheni sakhe uMtyholi, ababanjiselwe ukuthanda kwakhe nguye.

KuTimoti II 3

Ububi obuhlalele ukubakho

1Ke, kwazi oku, ukuba ngemihla yokugqibela kuya kufika amaxesha anomngcipheko.

2Kuba abantu baya kuba ngabazithandayo, abathandi bemali, abaqhankqalazi, abakratshi, abanyelisi, abangeva bazali, abangabuleliyo, abangengcwele, abangenabubele,

3abangenatarhu, abatyholi, abangenakuzeyisa, izibhoja, abangenakuthanda kulunga, abancethezi,

4izityhuthutyhuthu, abathiwe lwale likratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

5benokumila kokuhlonela uThixo, ukanti bayawakhanyela amandla ako. Kwabo ke khwebuka.

6Kuba baphuma kwaba, abo banyebelezela ezindlwini, bathimbe abafazazana abazono ziziimfumba, bephethwe ziinkanuko ngeenkanuko,

7behlala befunda, bangaze phofu babe nako ukufika ekuyazini inyaniso.

8Kwangolo hlobo ke, bàthi ooYanes noYambres bamchasa uMoses, ngokunjalo nabo aba bayayichasa inyaniso. Bangabantu abonákele iingqiqo, abangenakucikideka ngakulo ukholo.

9Abayi kuhambela phambili ngakumbi; kuba ukungabi nangqiqo kwabo kuya kubonakala kubantu bonke, njengokuba kwaba njalo okwabaya.

Ukuyalwa kukaTimoti

10Ke wena uyilandile eyam imfundiso, ihambo, ingqibo, ukholo, ukuzeka kade umsindo, uthando,

11unyamezelo, iintshutshiso, iintlungu ezinjengezo zandihlelayo kwa-Antiyokwe, eIkoniyo, eListra; ukutshutshiswa okunjengoko ndakuthwalayo, yaza iNkosi yandihlangula kuko konke.

12Nabo bonke ke abathanda ukuhlala ngokuhlonela uThixo kuKristu Yesu baya kutshutshiswa.

13Ke bona abantu abangendawo noosiyazi, kukhona baya kuhambela phambili ebubini, belahlekisa, belahlekiswa.

14Ke wena yima ezintweni owazifundayo, waqiniselwa kuzo, umazi owazifunda kuye;

15nokuba ùzazé kwasebuntwaneni izibhalo ezingcwele, ezinako ukukulumkisela elusindisweni ngokukholwa kuKristu Yesu.

16Sonke isibhalo, siphefumlelwe nguThixo nje, sikwancedela ukufundisa, ukohlwaya, ukululeka, ukuqeqesha okusebulungiseni,

17ukuze umntu kaThixo afaneleke, exhobele wonke umsebenzi olungileyo.

KuTimoti II 4

1Ndiyaqononondisa mna ngoko emehlweni kaThixo, neNkosi yethuuYesu Kristu, oza kugweba abaphilileyo nabafileyo, kwanangokubonakala kwakhe nobukumkani bakhe:

2livakalise ilizwi; zingisa ukwenjenjalongamathuba alungileyo naxakileyo; yohlwaya, khalimela, vuselela, únako konke ukuzeka kade umsindo, nokufundisa.

3Kuba kuya kubakho ixesha abangayi kuyinyamezela imfundiso ephilileyo; baya kusuka ngokweenkanuko zabo bazifumbele abafundisi, bebaba iindlebe;

© 1975 Bible Society of South Africa.

4babeya kuzisonga zimke iindlebe kuyo inyaniso, baphambukele ke kuzo iintsomi.

5Ke wena yiba yingcathu ezintweni zonke, nyamezela ububi, umsebenzi womshumayeli weendaba ezilungileyo wénze, búzalise ubulungiseleli bakho.

6Kuba mna sendithululwa ngokomnikelo; nalo ixesha lokunduluka kwam likufuphi.

7Umzamo omhle ndiwuzamile, ugqatso ndilufezile, ukholo ndilugcinile.

8Okokugqibela ndibekelwe isithsaba sobulungisa, eya kundibuyisela ngaso ngaloo mini iNkosi, umgwebi olilungisa; ingabi ndim ndedwa ke, ibe ngabo bonke abakuthandayo ukubonakala kwayo.

Imiyalezo etyumbayo nemibuliso

9Khawuleza uze kum kamsinya;

10kuba uDemasi wandishiya ngokuthanda iphakade langoku, waya eTesalonika; uKreske uye kwelaseGalati; uTito uye kwelaseDalmati.

11NguLuka yedwa onam. Thabatha uMarko uze naye; kuba únokundinceda kakuhle kumsebenzi wokulungiselela.

12Ke uTikiko ndamthumela e-Efese.

13Ingubo endayishiya eTrowa kuKarpo, uze uyiphathe ekuzeni kwakho, neencwadi ezo, ngokukodwa ezezìntsu.

14UAlesandire, umkhandi wobhedu, wandenza izinto ezininzi ezimbi; iNkosi iya kumbuyekeza ngokwemisebenzi yakhe.

15Mlumkele nawe; kuba wawachasa kunene amazwi ethu.

16Kokokuqala ukuziphendulela kwam, akubangakho namnye unam, basuka bonke bandishiya; kwanga akungebalelwe kubo oko.

17Noko ke iNkosi yandinceda, yandomeleza, ukuze ngam uvakaliso lweendaba ezilungileyo luzaliseke, neentlanga zonke zive; ndaza ndahlangulwa emlonyeni wengonyama.

18Isaya kundihlangula yona iNkosi kuwo wonke umsebenzi ongendawo, indisindisele ebukumkanini bayo obusemazulwini; kuyo makubekho uzuko, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

19Bulisa kuPriska noAkwila, nakwindlu kaOnesiforo.

20UErasto wasala eKorinte. Ke uTrofimo ndamshiya eMileto esifa.

21Khawuleza uze, kungekabi sebusika. Uya kubulisa uYubhulo, noPudens, noLino, noKlawudiya, nabo abazalwana bonke.

22INkosi uYesu Kristu mayibe nomoya wakho. Ubabalo malube nani. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KuTito

KuTito 1

Umbuliso

1UPawulos, umkhonzi kaThixo, umpostile ke kaYesu Kristu, ngokokholo lwabanyulwa
bakaThixo, nokuyazi inyaniso engokokuhlonela uThixo;

2ngethemba lobomi obungunaphakade, awathi uThixo, ongenakuxoka, wabubeka
idinga ngaphambi kwamaxesha angunaphakade,

3walibonakalisa ke ilizwi lakhe ngamaxesha angawalo, ngokuvakalisa
endakuphathiswayo mna, ngokommiselo woMsindisi wethu uThixo:

4kuTito, umntwana wam wenene ngokwaselukholweni, esinobudlelane ngalo:
Makube lubabalo, noxolo oluvela kuThixo uYise, nakuYesu Kristu, uMsindisi wethu.

Ukumiswa kwamadoda amakhulu

5Ndakúshiya eKrete ngenxa yoku, ukuze uhambise ukuzilungisa izinto eziseleyo,
umise amadoda amakhulu kwimizi ngemizi, njengoko ndakumisela ngako mna:

6ukuba umntu ungongenakumangaleleka, eyindoda yamfazi mnye enabantwana
abakholiweyo, abangàmiselwa tyala lakuzibhubhisa, abangaswele kuthobela mntu.

7Kuba umveleli umelwe kukuba ngongenakumangaleleka, njengegosa likaThixo;
angabi ngowenza ukuzithandela kwakhe; angabi ngoqumba msinya; angabi
ngogeziswa yiwayini; angabi ngumbethi; angabi ngongxamela nzuzo imbi.

8Úmelwe kukuthi abe ngobuka iindwendwe, umthandi wokulungileyo, onesidima,
olilungisa, ongcwele, onokuzeyisa;

9ebambelele ezwini elithembekileyo ngokwemfundiso, ukuze abe nako ukuvuselela
ngayo imfundiso ephilileyo, nokubohlwaya badane abaphikayo.

Abafundisi ababuxoki

10Kuba baninzi abathethi bezinto ezingento nabakhohlisi, abaswele intobeko,
ngokukodwa abo bolwaluko,

11abamelwe kukuvingcwa imilomo; abathi izindlu ziphela bazibhukuqe, befundisa
izinto ezingafanelekileyo ngenxa yenzuzo embi.

12Wathi omnye wabo, kwaumprofeti wakowabo, AmaKrete ahlala engamaxoki,
amarhamncwa amabi, amadlakudla angasebenziyo.

13Obo bungqina buyinene. Ngenxa yeli thuba bóhlwaye kabukhali, badane, ukuze
baphile elukholweni;

14banganyamekeli zintsomi zabuYuda, namithetho yabantu abayinikela umva
inyaniso.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

15Izinto zonke zihlambulukile kwabahlambulukileyo; kwabadyobhekileyo nabangakholwayo, akukho nto ihlambulukileyo; kusuke kwadyobheka nengqiqo nesazela sabo.

16Bayavuma ukuba bayamazi uThixo; kanti ngayo imisebenzi bayamkhanyela, bengamasikizi, bengabangevayo, nakumsebenzi wonke olungileyo bengenakucikideka.

KuTito 2

Imfundiso ephilileyo ngokuziphatha

1Ke wena, thetha izinto eziyifaneleyo imfundiso ephilileyo;

2ukuba amadoda amakhulu abe ziingcathu, andileke, abe nesidima, aphile elukholweni, eluthandweni, elunyamezelweni;

3ukuba abafazi abakhulu kwangokunjalo babe nesimilo esibafaneleyo, bangabi ngabatyholi; bangazilahleli kwiwayini eninzi;

4bafundise okuhle; ukuze bayale abafazana ukuba babe nesidima, bawathande amadoda abo, babathande abantwana babo, babe nesidima,

5babe nyulu, basebenze ezindlwini zabo, babe nokulunga, bawathobele awabo amadoda, ukuze ilizwi likaThixo linganyeliswa.

6Kwangokunjalo amadoda amatsha wayale ukuba abe nesidima.

7Ezintweni zonke zénze umzekelo wemisebenzi emihle; emfundisweni ube ngomsulwa, ngondilekileyo,

8ngolizwi liphilileyo, lingenakugwetywa; ukuze ochasayo abe neentloni, engenanto imbi yakuthetha ngani.

9Amakhoboka wathethele ukuba azithobele iinkosi zawo, abe ngakholekileyo kakuhle ezintweni zonke, engaphiki;

10angashinti; asuke abonakalalise konke ukuthembeka okulungileyo, ukuze ayivathise imfundiso yoMsindisi wethu uThixo ezintweni zonke.

Izizathu zentlalo yobuKristu

11Kuba lubonakele kubantu bonke ubabalo lukaThixo, lulolusindisayo;

12lusiqeqesha ukuze sithi, síkuncama ukungahloneli Thixo nokukhanuka okukokwehlabathi, sihlale ngokunesidima, nangokubulungisa, nangokuhlonela uThixo, kweli phakade langoku;

13sílinde ithemba elinoyolo, nembonakalo yobuqaqawuli boThixo omkhulu, uMsindisi wethu uYesu Kristu,

© 1975 Bible Society of South Africa.

14owazinikela ngenxa yethu, ukuze asikhulule ngokusihlawulela kuko konke ukuchasa umthetho, azihlambululele abantu abangabakhe, abazondelela imisebenzi emihle.

15Ezi zinto zithethe, uvuselele, wohlwaye ngawo wonke ummiselo. Makungabikho namnye ukudelayo.

KuTito 3

Ukuziphatha kwamaKristu nesiseko sako

1Bakhumbuze ukuba bathobele oozilawuli noomagunya, baphulaphule abaphathi, bawulungele wonke umsebenzi olungileyo.

2Mabanganyelisi namnye umntu, bangabi nakulwa, babe nokuthantamisa, bebonakala benobulali bonke kubantu bonke.

3Kuba nathi sibe sifudula singabasweli-kuqonda, singeva, silahleka, sikhonza iinkanuko neziyolo ngeziyolo, sihleli ngolunya nomona, sinezothe, sithiyana.

4Kodwa kuthe kwakubonakala ububele bukaThixo, uMsindisi wethu, nokuthanda kwakhe abantu,

5kungengamisebenzi esebulungiseni esayenzayo thina, kungokwenceba yakhe, wasisindisa ngentlambululo yokuzalwa ngokutsha, nangokuhlaziya koMoya oyiNgcwele;

6awamthululayo phezu kwethu ngokobutyebi, ngoYesu Kristu uMsindisi wethu;

7ukuze sithi, sígwetyelwé ngobabalo lwalowo, sibe ziindlalifa zobomi obungunaphakade ngokwethemba.

8Lithembekile ilizwi elo; nezo zinto ndinga ungaziqinisela, ukuze banyameke, benze imisebenzi emihle, abo bakholiweyo kuThixo. Ezo zinto zintle, zinokubanceda abantu.

9Ke yona imibuzo yobudenge, nemilibo yokuzalwa, neenkani, nokulwa ngawo umthetho, zinxweme, kuba azincedi lutho, asinto zanto.

10Umntu ongumahlukanisi, akuba elulekwe kanye nokuba kukabini, mmangale;

11ùsazi ukuba onjalo ugwenxeke kwaphela; ùyona, ezigwebile ngokwakhe.

Imiyalezo yombuliso

12Xenikweni ndithe ndathuma kuwe uArtemas, nokuba nguTikiko, khawuleza uze kum eNikopolis; kuba ndigqibe kwelokuba ndobudlulisa ubusika khona apho.

13UZenas, umqondisi-mthetho, noApolos, báxhobisele indlela ngokunyameka, ukuze bangasweli nto.

14Abethu mabafunde ke ukwenza imisebenzi emihle yokunceda abaswele kanzima, ukuze bangabi ngabangenasiqhamo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15 Bayakubulisa bonke abanam. Babulise abo basithandayo ngokwaselukholweni.
Ubabalo malube nani nonke. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KuFilemon

KuFilemon 1

Intshayelelo

1UPawulos, umbanjwa kaKristu Yesu, noTimoti umzalwana, babhalelauFilemon
oyintanda, osebenzisana nathi,

2noApiya isithandanekazi sethu, noArkipo umphumi-mkhosi nathi, nebandla
elisendlwini yakho;

3bathi, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kuThixo uBawo, neNkosi yethu uYesu
Kristu.

Isicelo esenzelwa ikhoboka eliqhweshileyo

4Ndihlala ndibulela kuye uThixo wam, ndikukhumbula emithandazweni yam,

5ndiluva nje olwakho uthando, nokholo onalo kuyo iNkosi uYesu, nakubo bonke
abangcwele,

6ukuze ubudlelane bokholo lwakho bube nokusebenza ngokwazi konke okulungileyo
okukuni, kuse kuKristu Yesu.

7Kuba sinovuyo nothuthuzeleko olukhulu ngalo uthando lwakho, ngokuba izibilini
zabangcwele ziphunyuziwe ngawe, mzalwana.

8Kungoko endithi, nakuba ndinako ukungafihlisi okukhulu kuKristu, kokuba
ndikuthethele okufanelekileyo,

9noko ngenxa yothando ndisuka kanye ndikubongoze, ndíngonjengoPawulos ixhego,
ngoku ke ndikwangumbanjwa kaYesu Kristu.

10Ndikubongoza ngenxa yomntwana wam, uOnesimo, endimzeleyo ndisezintanjeni;

11obefudula engeluncedo lwanto kuwe, kodwa ngoku kuwe nakum unoncedo oluhle.
Lowo ndimbuyisele kuwe;

12wena ke mamkele, oko kukuthi, yamkela izibilini zam;

13ebendinga mna ndingasendihlala naye apha, ukuze athi endaweni yakho
andilungiselele, ndísezintanjeni ngenxa yeendaba ezilungileyo ezi;

14kodwa andithandanga kwenza nto, ungatshongo wena, ukuze ukulunga kwakho
kungangi kokokunyanzelwa, kube kokokuvuma.

15Kuba mhlawumbi wahlukaniswa umzuzwana nawe ngenxa yoku, ukuze umzuze
ngokwaphakade;

16engasenjengekhoboka, esuke wangaphezu kwekhoboka, engumzalwana oyintanda,
ngokukodwa kum; kubeke phi na ke kuwe, ngokwenyama nangokweNkosi?

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Ngoko ke, ukuba ùnobudlelane nam, mamkele njengam.

18Ukuba wakona, nokuba unetyala kuwe, oko kubalele kum.

19Mna Pawulos ndikubhalé ngesam isandla ukuthi, mna ndokuhlawula; endingàtshoyo kuwe ukuthi, kum ùnetyala elingaphezulu, elinguwe ngokwakho.

20Ewe, mzalwana, mandincedeke ngawe mna ngokwaseNkosini; ziphumze izibilini zam ngokwaseNkosini.

21Ndikubhalele ndeyisekile kukundilulamela kwakho, ndisazi ukuba ùya kwenza nangaphezulu koko ndikuthethayo.

Isiphelo

22Kunye ke noko, ndilungisele indawo yokuhlala; kuba ndithembile ukuba ngayo imithandazo yenu nondiphiwa.

23Uyakubulisa uEpafras, umbanjwa ndawonye nam wakwaKristu Yesu,

24kwanoMarko, noAristarko, noDemasi, noLuka, abasebenzisana nam.

25Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nomoya wenu. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KumaHebhere

KumaHebhere 1

UKristu uNyana kaThixo uphakamile kunezithunywa zezulu

1UThixo wayethethile nje kudala ngeendawo ezininzi, nangeendlela ezininzi, koobawo ngabo abaprofeti, uthethe ngale mihla yokugqibela kuthi ngoNyana;

2awammisayo wayindlalifa yeento zonke, awathi kwangaye wayenza indalo yonke;

3othe, elubengezelo lobuqaqawuli bakhe, nombhalo wenkqu yakhe, ezithwele nokuzithwala zonke izinto ngalo ilizwi lamandla akhe, wesuka, akuba eyenzile ngokwakhe intlambululo yokusihlambulula ezonweni, wahlala phantsi ngasekunene kobuKhulu, enyangweni;

4ethe waba ngonamandla ngaphezu kwezithunywa zezulu, ngangoko azuze ilifa legama eligqithiseleyo kunelazo.

5Kuba sisiphi na isithunywa, awakha wathi kuso, ÙnguNyana wam wena, Mna ndikuzele namhla? (INdum. 2:7) Nokuthi, Mna ndiya kuba nguYise wakhe, Yena abe nguNyana wam? (USam. II 7:14)

6Nangexa athi amngenise owamazibulo kwelimiweyo, uthi, Maziqubude kuye zonke izithunywa zikaThixo.

7Okunene ngazo izithunywa zezulu uthi, Ulozenza izithunywa zakhe oomoya, Nababusi bakhe ilangatye lomlilo; (INdum. 104:4)

8kodwa ngaye yena uNyana uthi, Itrone yakho, Thixo, isa ephakadeni lasephakadeni; Yintonga ethe tye intonga yobukumkani bakho.

9Wathanda ubulungisa, wathiya okungendawo; Ngenxa yoko, uThixo, uThixo wakho, ukuthambise Ngeoli yomgcobo ngaphezu kowenu. (INdum. 45:6,7)

10Abuye athi, Ekuqalekeni, wena Nkosi, waliseka ihlabathi, Nalo izulu lingumsebenzi wezandla zakho;

11Wona aya kutshabalala, ke wena uhlala uhleli; Aye onke njengengubo eya konakala,

12Nanjengesambatho ùya kuwasonga, Asuke abe ngawambi; Ke wena ùkwanguwe, Nayo iminyaka yakho ayiyi kuphela. (INdum. 102:25-27)

13Sisiphi na ke isithunywa, awakha wathi kuso, Hlala ngasekunene kwam, Ndide iintshaba zakho ndizenze isihlalo seenyawo zakho? (INdum. 110:1)

14Azingomoya ababusayo zonke na, zithunywe ukuba zilungiselele abo baza kuba ziindlalifa zalo usindiso?

KumaHebhere 2

© 1975 Bible Society of South Africa.

UKristu uNyana woMntu uphakamile kunezithunywa. Unako ukuvelana nathi ebuthathakeni

1Ngenxa yoko, simelwe kukuzinyamekela ngokugqithiseleyo izinto esazivayo, hleze
sikhukuliswe simke kuzo.

2Kuba, ukuba ilizwi elathethwa ngezithunywa zezulu laqina, kwathi konke ukugqitha
nokungeva kwamkela umvuzo oyeleleyo;

3sothini na thina ukusinda, sakuba siluhilizele usindiso olungakanana, lona lwaqalwa
ukuthethwa yiyo iNkosi, lwaza lwaqiniselwa kuthi ngabo baluváyo;

4uThixo engqinelana nabo ngemiqondiso kwanezimanga, nemisebenzi ngemisebenzi
yamandla, nezabelo zoMoya oyiNgcwele, ngokokuthanda kwakhe?

5Kuba akalithobelanga phantsi kwezithunywa zezulu elimiweyo eliza kubakho, eli
sithetha ngalo.

6Ke, wakha wangqina ubani, esithi, Úyintoni na umntu, le nto ùmkhumbulelayo?
Unyana womntu, le nto umvelelayo?

7Wamnciphisa kancinane kunezithunywa zezulu, Wamthwesa uzuko nembeko.
Wammisa phezu kwemisebenzi yezandla zakho;

8Zonke izinto wazithobela phantsi kweenyawo zakhe. (INdum. 8:4-6) Kuba, ekubeni
wazithobela phantsi kwakhe zonke izinto ezo, akashiyanga nto ingathotyelwanga
phantsi kwakhe. Kukaloku ke asikaziboni zithotyelwe phantsi kwakhe zonke izinto.

9Ke sibona lo uncitshiswe kancinane kunezithunywa zezulu, uYesu ke, ethe ngenxa
yeentlungu zokufa wathweswa uzuko nembeko, ukuze ngobabalo lukaThixo eve
ukufa ngenxa yabo bonke.

10Kuba bekumfanele lowo, ezingenxa yakhe zonke izinto ezo, nezingaye zonke izinto
ezo, ekubeni ezìse oonyana abaninzi eluzukweni, ukuthi ayenze ngeentlungu
igqibelele imbangi yosindiso lwabo.

11Kuba lowo ungcwalisayo, kwanabo bangcwaliswayo, baphuma kumnye bonke;
ekungenxa yeli thuba angenazintloni ukubabiza ngokuthi ngabazalwana,

12esithi, Ndiya kulixela igama lakho kubo abazalwana bam. Ndivume phakathi
kwebandla elokudumisa wena. (INdum. 22:22)

13Abuye athi, Ndiya kukholosa ngaye. Abuye athi, Yabona, mna nabantwana andinike
bona uThixo.

14Ekubeni ngoko abantwana abo bengamadlelane naye ngenyama negazi, wathi
naye ngokwakhe ngokukwanjalo wabelana nabo ngezo zinto, ukuze ngako ukufa
ambhangise lowo unamandla okufa, oko kukuthi, uMtyholi lo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

15abakhulule ebukhobokeni bonke abo babethe ngalo lonke ixesha lokudla kwabo
ubomi bazizisulu zokoyika ukufa.

16Kuba ndithi, akathabatheli kuye zithunywa; uthabathela kuye imbewu ka-Abraham.

17Ekuthe ngoko wafanelwa kukuba afane nabazalwana bakhe ngezinto zonke, ukuze
abe ngonenceba, kwanombingeleli othembekileyo omkhulu ezintweni ezilunge
kuThixo, ukuze azicamagushele izono zabantu.

18Kuba ekubeni eve ubunzima, ehendiwe naye ngokwakhe, unako ukubasiza
abahendwayo.

KumaHebhere 3

UKristu mkhulu kunoMoses

1Ndithi ngoko, bazalwana bangcwele, mabelána ngobizo lwasemazulwini, mondeleni
uMpostile, uMbingeleli oMkhulu wovumo lwethu, uKristu Yesu;

2ethembekile kulowo wamenzayo, kwanjengoMoses endlwini yakhe iphela.

3Kuba lo ubalelwe ekuthini ufanelwe luzuko olungaphezu kolukaMoses; ngangokuba
lowo wayakhayo indlu, enembeko engaphezu kwayo indlu.

4Kuba yonke into eyindlu inoyakhayo; ke lowo wazakhayo zonke izinto nguThixo.

5Okunene noMoses ebethembekile endlwini yakhe iphela ngokomkhonzi, ukuze
bube bubungqina obo bezinto eziya kuthethwa.

6Ke yena uKristu uthembeke ngokonyana phezu kwendlu yakhe; esiyindlu yakhe ke
thina, ukuba singaba sithe sakúbamba ngokuthe nkqi ukungafihlisi kwethu,
neqhayiya lethemba lethu, sada sesa ekupheleni.

Isilumkiso esiphikisa ukungakholwa nokungeva

7Endithi ke, njengoko atshoyo uMoya oyiNgcwele, Namhla, ukuba nithe naliva ilizwi
lakhe,

8Musani ukuzenza lukhuni iintliziyo zenu, Njengasengcaphukisweni, ngomhla
wolingo entlango;

9Apho bandilingayo ooyihlo, bandicikida, Bayibona imisebenzi yam iminyaka
emashumi mané.

10Kungoko ndakruqukayo seso sizukulwana, Ndathi, Bahlala belahleka ngeentliziyo,
Abazazi ke bona iindlela zam;

11Njengoko ndafungayo, ndinengqumbo, Ndathi, Unakanye ukuba bokha bangene
ekuphumleni kwam! (INdum. 95:7-11)

12Lumkani, bazalwana, hleze kubekho kubani wenu intliziyo engendawo,
engakholwayo, enokumka kuThixo ophilileyo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

13manivuselelane imihla ngemihla, xa kusathiwa kunamhla, ukuze kungabikho mntu
kuni wenziwa lukhuni kukulukuhla kwesono.

14Kuba siba ngamabelána ngoKristu, ukuba sithe ingqalo yokukholosa kwethu
sayibamba ngokuthe nkqi, sada sesa ekupheleni;

15ekubeni kusithiwa, Namhla, ukuba nithe naliva ilizwi lakhe, Musani ukuzenza
lukhuni iintliziyo zenu, njengasengcaphukisweni. (INdum. 95:7,8)

16Kuba bathe abathile, bevile, bacaphukisa, phofu ingengabo bonke abo baphumayo
eYiputa ngoMoses.

17Yayingoobani na ke awakruquka ngabo iminyaka emashumi mané? Yabingengabo
na abo bonayo, bazidumbu zawayo entlango?

18Wafungela oobani na ke, ukuba abayi kungena ekuphumleni kwakhe, ingengabo
abo bangevanga?

19Siyabona ke, ukuba babengenakungena, ngenxa yokungakholwa.

KumaHebhere 4

Isiyalo sokungena ekuphumleni okunjengokwesabatha

1Masoyike ngoko, hleze kuthi ekubeni kusasele idinga lokungena ekuphumleni
kwakhe, kubekho bani kuni ungáthi asilele.

2Kuba sizishunyayeziwe iindaba ezilungileyo kwanjengabo; lathi kodwa ilizwi lodaba,
lingadibananga nje nokholo kwabo baliváyo, alabanceda nto.

3Kuba thina sakholwayo, siyangena ekuphumleni, ngokoko athe, Njengoko
ndafungayo, ndinengqumbo, Ndathi, Unakanye ukuba bokha bangene ekuphumleni
kwam! (INdum. 95:11) nakubeni imisebenzi yenziwayo kususela ekusekweni
kwehlabathi.

4Kuba wakha wathetha ngawo umhla wesixhenxe, ukuthi, Waza waphumla uThixo
ngawo umhla wesixhenxe kuyo yonke imisebenzi yakhe;

5athi kule kananjalo, Unakanye ukuba bokha bangene ekuphumleni kwam.

6Ekubeni ngoko kusalindele ke ukuthi kubekho bathile bangénayo kuko, baye abo,
bashunyayezwáyo iindaba ezilungileyo kuqala, bengangenanga ngenxa yokungeva:

7ubuya amise mini ithile, esithi ngoDavide, Namhlanje, emveni kwexesha
elingakanana; njengokuba kuthiwe, Namhla, ukuba nithe naliva ilizwi lakhe, Musani
ukuzenza lukhuni iintliziyo zenu. (INdum. 95:7,8)

8Kuba uYoshuwa, ukuba ubebaphumzile, angé engabuyanga athethe ngawo omnye
umhla.

9Ngoko ke abantu bakaThixo balindwe luphumlo olunjengolwesabatha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Kuba lowo ungeneyo ekuphumleni kwakhe, naye ngokwakhe uphumle kuyo imisebenzi yakhe, njengoThixo kweyeyakhe.

11Masikhuthalele ngoko ukungena koko kuphumla, ukuze kungabikho namnye ubuya eyele kwakuloo mzekelo wokungeva.

12Kuba ilizwi likaThixo liphilile, lisebenza, libukhali ngaphezu kwamakrele onke antlangothi mbini; lihlaba liphumele, lide lahlule umphefumlo kwanomoya, amalungu kwanomongo; linokugweba iingcingane nezicamango zentliziyo.

13Kanjalo akukho sidalwa singabonakaliyo emehlweni akhe; izinto zonke ke zizé, zityhilekile, emehlweni alowo esinokuthana ni naye.

UKristu mkhulu kunababingeleli abakhulu bomnqophiso omdala

14Ngoko, sínombingeleli omkhulu nje ocande emazulwini, uYesu ke, uNyana kaThixo, masilubambe uvumo lwethu.

15Kuba asinambingeleli mkhulu ungenako ukuvelana nezilwelwe zethu; ke, sinowahendwayo ngeento zonke, ngokokufana nathi, engenasono.

16Masisondlele ke ngoko sinokungafihlisi kuyo itrone yobabalo, ukuze samkeliswe inceba, sifumane ubabalo lokusiza ngexesha elililo.

KumaHebhere 5

1Kuba wonke umbingeleli omkhulu, engovele ebantwini nje, umiselwa abantu ezintweni ezilunge kuThixo, ukuze asondeze iminikelo kwanamadini ngenxa yezono;

2enokuthantamisa kwabangazi nto nabalahlekayo, ekubeni naye ngokwakhe enxitywe ubulwelwe.

3Ngenxa yabo ke ufanelwe kukuthi, njengokuba esondezela abantu, kwangokunjalo azisondezele amadini ngenxa yezono.

4Kanjalo akukho mntu uzithabathela ngokwakhe imbeko leyo; oyithabathayo ngobizwe nguThixo, kwanjengoAron.

5Ngokunjalo naye uKristu akazizukisanga ngokwakhe, ukuba abe ngumbingeleli omkhulu; wazukiswa ngowathethayo kuye, wathi, ÙnguNyana wam wena, Mna ndikuzele namhla; (INdum. 2:7)

6njengokuba esithi nakwenye indawo, Wena ungumbingeleli ngonaphakade, Ngokohlobo lukaMelkitsedeke. (INdum. 110:4)

7Owathi ngemihla yenyama yakhe, xa wayesondeze izikhungo kwanezibongozo kulowo unako ukumsindisa ekufeni, kunye nodanduluko olunamandla, neenyembezi, waviwa ngenxa yokumhlonela kwakhe uThixo.

8Nakuba ebenguNyana, wafunda ukululama ngobunzima awabuvayo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9waza, egqibelele, waba yimbangi yosindiso olungunaphakade kubo bonke abamlulamelayo,

10ebizwe nguThixo, ukuba abe ngumbingeleli omkhulu ngokohlobo lukaMelkitsedeke.

Imfuneko yokukhula ebuKristwini

11Esineendawo ezininzi zokuthetha ngaye, ezilukhuni ukuchazwa, ekubeni nina naba buthuntu iindlebe.

12Kuba, nakuba benifanele ukuba ngabafundisi, ngenxa yokuba sekumzuzu nakholwayo, nibuye naswela umntu wokunifundisa iziqalelo zokuqala zezihlabo zikaThixo; nesuka naba ngabafanele ukusezwa amasi, ànaba ngabafanele ukudla okuqinileyo.

13Kuba bonke abasasezwa amasi àbanamava elizwi lobulungisa, kuba beziintsana.

14Kokwabakhulileyo ke ukudla okuqinileyo, abo bathi, ngenxa yobugcisa, babe nezimvo eziqheliselwe ukucalula okuhle kwanokubi.

KumaHebhere 6

1Endithi ngoko, masithi, siyeka elengqalo ilizwi elithetha ngoKristu, siqhubele kwelokukhula; singàbuyi siseke ngeloguquko emisebenzini efileyo, nokukholwa kuThixo,

2ngelemfundiso yeembaptizo, neyokubekwa izandla, neyovuko lwabafileyo, neyogwebo olungunaphakade.

3Oko ke sokwenza, ukuba angaba uthe uThixo wavuma.

4Kuba abo bakha bakhanyiselwa, bàsiva isipho sasemazulwini, bàba ngamadlelana ngoMoya oyiNgcwele,

5bàyiva incasa yelizwi elihle likaThixo, kwanamandla ephakade eliza kubakho,

6bàza babuya bakreqa: akunakwenzeka ukuba babuye bahlaziyelwe enguqukweni; ekubeni bephinda ukuzibethelelela emnqamlezweni uNyana kaThixo, bamhlaze ekuhléni.

7Kuba umhlaba lo, uyiselayo imvula eza futhi phezu kwawo, uvelise imifuno elungele bona abo ulinywa nokulinywa ngenxa yabo, wamkela intsikelelo kuThixo;

8ke, othi uvelise imithana enameva neenkunzane, awunto yanto, ukufuphi nengqalekiso; esiphelo sisa ekutshisweni.

9Ke ngáni nina, zintánda, sikholose ngelokuthi, nineendawo ezilungileyo kunezo, iindawo eziyelelene nosindiso, nakuba sisenjenje ukuthetha;

© 1975 Bible Society of South Africa.

10kuba akanantswela-bulungisa uThixo, ukude awulibale umsebenzi wenu, nomzamo
wothando enalubonakalalisa kulo igama lakhe, nabalungiseleláyo nje abangcwele,
nisamana nibalungiselela.

11Sinqwenela ke, ukuba ulowo kuni alubonakalalise kwaolo lukhuthalo, asingise
kwinzaliseko yethemba, ade ase ekupheleni, ukuze ningabi ngababuthuntu;

12ke nibe ngabaxelisa abo bàthi, ngokholo nangokunyamezela, bawadla ilifa
amadinga.

Amadinga kaThixo omeleza ithemba

13Kuba wathi uThixo, akumbeka ngedinga uAbraham, ekubeni bekungekho namnye
umkhulu kunaye angamfungayo, wazifunga yena, esithi,

14Inene, ndiya kuthi, ndisikelela, ndikusikelele; ndithi, ndisandisa, ndikwandise.

15Waza ngokunjalo, enokunyamezela, walifumanisa idinga.

16Kuba abantu okunene bafunga lowo umkhulu kubo, síthi kubo isifungo siphelise
yonke impikiswano, sise engqinisekweni.

17Uthe ngoko uThixo, enga angathi ngokukhona kugqithiseleyo akubonakalalise
kwiindlalifa zedinga ukungaguquleki kwecebo lakhe, wasuka walamla ngesifungo;

18ukuze kuthi, ngezinto ezimbini ezingenakuguquleka, angenako ukuxoka ngazo
uThixo, sithi thina, bàsindileyo, sàbamba ithemba elibekwe phambi kwethu, síbe
novuselelo olunamandla;

19ithemba ke esinalo ngokwaeankile yomphefumlo, linqabile, likwaqinile, lingena liye
ngaphaya kwesikhuselo;

20apho umanduleli uYesu wangena khona ngenxa yethu, ethe, ngokohlobo
lukaMelkitsedeke, waba ngumbingeleli omkhulu osa ephakadeni.

KumaHebhere 7

UYesu umbingeleli omkhulu ngokohlobo lukaMelkitsedeke

1Kuba lo Melkitsedeke, kumkani weSalem, mbingeleli kaThixo Osenyangweni,
wahlangabezanayo noAbraham, ebuya evela ekubulaleni ookumkani, wamsikelela;

2awathi uAbraham wamabela nesishumi sezinto zonke (esithi okunene, ukuqala
ukuthetha ngentetho evakalayo, ngukumkani wobulungisa, kodwa kamva abe
nangukumkani weSalem, oko kukuthi, ngukumkani woxolo;

3engenayise, engenanina, engenamlibo wakuzalwa, engenasiqalo samihla,
engenasiphelo sabomi, enziwe wafana naye uNyana kaThixo): lo uhleli
engumbingeleli ngokungapheliyo.

4Bonani ke ukuba mkhulu kwalowo, wàthi uAbraham umawokhulu wamnika
nesishumi emaxhobeni, awona alinqatha.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Abo okunene bakoonyana bakaLevi, babamkelayo ububingeleli, banomthetho wokubanga isishumi kubo abantu ngokomthetho; oko kukuthi, kubo abazalwana babo, nakuba bephume esinqeni sika-Abraham.

6Kodwa yena, ongenamlibo wakuzalwa uphumayo kubo, ubange isishumi kuAbraham, wasikelela lowo unamadinga.

7Ke ngokungenakuphikwa, encinane into isikelelwa yeyona inkulu.

8Kananjalo apha okunene ngabantu abanokufa, abathabatha isishumi; kodwa khona apho ngongqinelweyo ukuba udla ubomi.

9Ukutsho ke ndithi, kubangwe ngoAbraham isihumi nakuLevi, lo wamkelayo izishumi;

10kuba ubesesinqeni sikayise, oko uMelkitsedeke wamhlangabezayo.

11Ke ngoko, ukuba okunene inzaliseko ibingabakho ngobubingeleli bakwaLevi (kuba abantu bewiselwe owobubingeleli umthetho), bekusafuneka ngantoni na ke, ukuba kubuye kuvele mbingeleli wumbi ngokohlobo lukaMelkitsedeke, angàbizwa ngokohlobo luka-Aron?

12Kuba, ububingeleli baguqulwa nje, kufuneka ukuba kuguqulwe nomthetho.

13Kuba lowo, zithethwa ngaye ezi zinto, waye engowasizwe simbi, ebekungekho namnye kuso ubesinyamekele isibingelelo.

14Kuba kusekuhléni kanye, ukuba iNkosi yethu iphume kwesikaYuda isizwe, eso angathethanga nto ngaso uMoses ngobubingeleli.

15Kwaza kwasekuhléni ngakumbi, ukuba kuvela mbingeleli wumbi, ngokokufana noMelkitsedeke,

16ongathanga amiswe ngokomyalelo womthetho ongowenyama; wamiswa ngokwamandla obomi obungenakupheliswa.

17Kuba ungqina ngokuthi, Wena ungumbingeleli ngonaphakade, Ngokohlobo lukaMelkitsedeke. (INdum. 110:4)

18Kuba okunene kutshitshiswa umthetho owandulelayo, ngenxa yokuswela amandla, nokungancedi lutho kwawo

19(kuba umthetho lowo awuzalisanga nto); ke kungeniswe phezu kwawo elona themba lilungileyo; esisondela ngalo kuye uThixo.

20Kanjalo, ngangokuba engamiswanga, kungàbangakho sifungo (kuba bona aba okunene benziwe ababingeleli kungafungwanga;

21kodwa yena umiswe ngokufunga kwalowo wathi kuye, Yafunga iNkosi, ayiyi kuzohlwaya: Wena ungumbingeleli ngonaphakade, ngokohlobo lukaMelkitsedeke): (INdum. 110:4)

© 1975 Bible Society of South Africa.

22ngangoko ke uYesu waba ngummeli wowona ulungileyo umnqophiso.

23Bathe bona ababingeleli baba baninzi, ngenxa yokuba ukufa kwakungavumi ukuba bahlale behleli;

24ke yena, ngenxa yokuba ehleli ngonaphakade, unobubingeleleli obungenakudlula.

25Ngoko unako nokubasindisa kanye abo bezayo ngaye kuThixo, ehlala ehleli nje ukuba abathethelele.

26Kuba ubesifanele umbingeleli omkhulu onjalo, ongcwele, ongenabubi, ongenabala, owahlukileyo kubo aboni, othe waba ngaphezu kwalo izulu;

27ekungafunekiyo ukuba athi imihla ngemihla, njengababingeleli abakhulu abaya, anyuse kuqala amadini ngenxa yezono ezizezakhe, andule ukunyusa ngenxa yezabantu; kuba oko wakwenza kwaba kanye, ekuzinyuseni ngokwakhe ngokwedini.

28Kuba umthetho umisa abantu benobulwelwe, babe ngababingeleli abakhulu; ke lona ilizwi lesifungo, esingasemva komthetho, limise uNyana, egqibelele ngonaphakade.

KumaHebhere 8

UKristu, uMlamleli womnqophiso omtsha ongunaphakade

1Ke kaloku, eyona nto iyintloko kwezi zinto zithethwayo yile: Sinombingeleli omkhulu onje, othe wahlala phantsi ngasekunene kwetrone yobuKhulu emazulwini,

2ongumbusi wengcwele, nowomnquba wenyaniso owamiswayo yiNkosi, àwamiswa ngumntu.

3Kuba wonke umbingeleli omkhulu umiselwa ukuba asondeze iminikelo kwanamadini; ekuthe ngenxa yoko kwafuneka ukuba naye lo abe nento ayisondezayo.

4Kuba okunene, ukuba ebesemhlabeni, ubengayi kukha abe mbingeleli, bekho nje ababingeleli abayisondezayo iminikelo ngokomthetho:

5bona bàthi bakhonze umzekelo nesithunzi sezinto zasemazulwini, kwanjengokuba uMoses wayehlatyelwe nguThixo, xa abeza kuwufeza umnquba; kuba wathi, Khangela ukuba uzènze zonke izinto ngokomfuziselo owawuboniswayo entabeni.

6Kodwa kungoku, úzuze umbuso ogqithiseleyo kulowo, kangangokuba engumlamleli womnqophiso olungileyo ngakumbi, wona usekwe phezu kwawona madinga alungileyo.

7Kuba, ukuba ubungenakusoleka lowo wokuqala, ubungayi kufunelwa ndawo owesibini.

8Kuba uthi kubo, esola, Yabona, kuza imihla, itsho iNkosi, Endiya kuzalisekisa phezu kwendlu kaSirayeli, naphezu kwendlu kaYuda, umnqophiso omtsha;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ungahambi ngokomnqophiso endawenzela ooyise, Mini ndababamba ngesandla, ukuba ndibakhuphe emhlabeni waseYiputa; Ngokuba bengahlalanga emnqophisweni wam bona, Ndaza nam àndabakhathalela; itsho iNkosi;

10Ngokuba nangu wona umnqophiso, endiya kuwenzela indlu kaSirayeli Emva kwaloo mihla, itsho iNkosi: Ndiya kuthi, ndiyibeke imithetho yam engqondweni yabo, Ndiyibhale ezintliziyweni zabo, Ndibe nguThixo kubo, Nabo babe ngabantu kum.

11Kanjalo abayi kukha bafundise elowo ummelwane wakhe, Elowo umzalwana wakhe, esithi, Yazi iNkosi; Ngokuba baya kundazi bonke, Bethabathela komncinane wabo, base komkhulu wabo.

12Ngokuba ndiya kukuxolela ukungalungisi kwabo, Nezono zabo, nokuchasa kwabo umthetho, ndingabi sakukhumbula. (UYer. 31:31-34)

13Ngokuthi oku, Omtsha, uwaluphalisile owokuqala. Ke loo nto yalupheleyo, yalixhego, iseyisondele ekuthini shwaka.

KumaHebhere 9

Umsebenzi ofezekileyo kaKristu awawenzayo emnqubeni omkhulu ogqibeleleyo ngedini lakhe elinye

1Ke ngoko nowokuqala umnqophiso wawunezimiselo zombuso, kwanendawo engcwele yehlabathi.

2Kuba kwakhiwa umnquba lowo. Igumbi lokuqala lalinesiphatho sezibane, kwanetafile, nesiboniso sezonka; lona kuthiwa yingcwele.

3Emva ke kwesesibini isikhuselo, kwabakho umnquba lo kuthiwa yingcwele kangcwele;

4unesibingelelo segolide sokuqhumisa; nayo ityeya yomnqophiso, yalekwe ngegolide ngeenxa zonke, inesitya segolide ngaphakathi esinemana, inentonga ka-Aron eyadubulayo, inawo amacwecwe omnqophiso.

5Ke ngaphezu kwayo kwema iikerubhi zobuqaqawuli, zisibekele isicamagushelo; izinto ezo esingenakuthetha ngazo ngazinye ngoku.

6Ke kaloku, zakubon' ukuba zenziwe ngokunjalo ezo zinto, ababingeleli bángena okunene amaxa onke kowokuqala umnquba, beyifeza imibuso kaThixo.

7Kodwa kowesibini kungena kube kanye ngomnyaka umbingeleli omkhulu yedwa, engangeni engenagazi, alisondezayo ngenxa yakhe, nangenxa yokungazi kwabantu.

8Abe ngoku uMoya oyiNgcwele esazisa ukuthi, indlela eya kweyona ngcwele ayikabonakalaliswa, umnquba wokuqala usemi;

9wona lo ungumzekeliso ozise exesheni elingeneyo, ekuthi ngalo kusondezwe iminikelo kwanamadini, izinto ezo ezingenako ngokwesazela ukumenza agqibelele lowo ukhonzayo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

10ezithe, ndawonye nezinto ezidliwayo neziselwayo, neentlambululo ngeentlambululo, ezizizimiselo zenyama kuphela, zamiselwa ukuba kude kufike ixesha lolungiso.

11Ke yena uKristu, efike wangumbingeleli omkhulu wazo izinto ezilungileyo eziza kubakho, uthe ngowona mkhulu ugqibeleleyo umnquba, ongenakwenziwa ngazandla, oko kukuthi, ongengowale ndalo,

12wangena kwaba kanye kweyona ngcwele, kungengalo negazi leebhokhwe nelamathole, kungegazi elilelakhe; wafumana inkululo engunaphakade ngokusihlawulela.

13Kuba, ukuba igazi leenkomo neleebhokhwe, nothuthu lwethokazi olufefa abaziinqambi, lungcwalisela ekuhlambululeni inyama:

14lobeka phi na ukugqithisela lona igazi likaKristu, owazisondeza ngoMoya ongunaphakade, engenasiphako, kuye uThixo, ukusihlambulula isazela senu emisebenzini efileyo, ukuze nikhonze uThixo ophilileyo?

15Nangenxa ke yoko, ungumlamleli womnqophiso omtsha, ukuze bathi abo babiziweyo (kwakubon' ukuba kubékho ukufa okuhlawulela izigqitho, ezibe ziphantsi kwawo umnqophiso wokuqala), balamkele idinga lelifa elingunaphakade.

16Kuba apho kukhoyo umnqophiso womyoleli, kufuneka ukuba kucace ukufa kwalowo unqophisileyo.

17Kuba umnqophiso uqiniseka bakuba befile, ekubeni ungàze ube namandla xenikweni asadla ubomi lowo unqophisileyo.

18Ekuthe ngoko nowokuqala àwasungulwa kungekho gazi.

19Kuba kuthe, kwakubon' ukuba umthetho wonke uxeliwe nguMoses ebantwini bonke ngokomyalelo, walithabatha igazi lamathole neleebhokhwe, ndawonye namanzi, noboya obubomvu, nehisope, wafefa incwadi ngokwayo, kwanabantu bonke;

20esithi, Eli ligazi lawo umnqophiso, aniwisele umthetho ngawo uThixo.

21Nomnquba ke, nazo zonke iimpahla zombuso, wazifefa ngokunjalo ngegazi.

22Kananjalo ngokomthetho ndingáde ndithi, zonke izinto ziphantse ukuba zihlanjululwe ngegazi; kungaphalalanga gazi, akubikho kuxolelwa.

23Kwafuneka ngoko, ukuba okunene izizekelo zezinto ezisemazulwini zihlanjulùlwe ngezinto ezinjalo, kodwa zona iziqu zazo ezasemazulwini zihlanjulùlwe ngamadini alungileyo kunalawo.

24Kuba uKristu akangenanga kweyona ngcwele inokwenziwa ngezandla, engumfuziselo weyenyaniso; ungené kuwo amazulu ngokwawo, ukuba abonakale ngoku ebusweni bukaThixo ngenxa yethu.

© 1975 Bible Society of South Africa.

25Kananjalo akangenanga ukuze azisondeze futhi, njengokuba umbingeleli omkhulu ebengena kweyona ngcwele iminyaka ngeminyaka, enegazi lenye into;

26okanye angé emelwe kukuba abe ebeve ubunzima futhi, kuseloko lasekwayo ihlabathi. Ke uthe ngoku, ekufinyezweni kwawo amaphakade, wabonakalaliswa kwaba kanye, ukuba atshitshise isono ngelilelakhe idini.

27Ke kwanjengokuba ke abantu bemiselwe ukuba bafe kube kanye, ize ke emveni koko ibe ngumgwebo:

28ngokunjalo uKristu, esondezwe kwaba kanye, ukuba asithwale asisuse isono sabaninzi, uya kuthi okwesibini, ngaphandle kwesono, abonakale kwabo bamlindileyo, ezisa usindiso.

KumaHebhere 10

1Kuba umthetho, únesithunzi nje sodwa sezinto ezilungileyo eziza kubakho, ungenaso sona isimilo sazo izinto, awuze ube nako, iminyaka ngeminyaka, ngaloo madini bàwasondeza ngokungapheliyo, ukubenza bagqibelele abo basondelayo.

2Okanye angé engayekwanga na ukusondezwa, ngenxa yokuba abo bakhonzayo, behlanjululwe nje kwaba kanye, bengasenasazela sazono?

3Kusuke kuwo apho kubekho ukukhunjuzwa kwezono iminyaka ngeminyaka.

4Kuba akunakwenzeka ukuthi igazi leenkomo neleebhokhwe lisuse izono.

5Kungoko, akùngena ehlabathini, athi, Akuthandanga mbingelelo, namnikelo wakudla, Ke ùndilungisele umzimba;

6Amadini atshiswayo kuphele, nangawesono, akukholiswanga ngawo.

7Ndaza ndathi, Yabona, ndiyeza (Encwadini esongwayo kubhalwe ngam), Ndiza kwenza ukuthanda kwakho, Thixo. (INdum. 40:6-8)

8Esithi nje ngentla, Imibingelelo, neminikelo yokudla, namadini atshiswayo kuphele, nangawesono, akuwathandanga, akukholiswanga ngawo (wona lawo asondezwayo ngokomthetho),

9ubuye athi, Yabona, ndiza kwenza ukuthanda kwakho, Thixo. Ususa okokuqala, ukuze amise okwesibini.

10Esìthe, ngokokuthanda kwakhe, sangcwaliswa ngokusondezwa komzimba kaYesu Kristu, kwaba kanye.

11Wonke ke ongumbingeleli uma okunene imihla ngemihla ebusa, ewasondeza futhi kwawona loo madini, angenako nakanye ukususa isono.

12Kodwa yena lo, esondeze idini lalinye ngenxa yezono, usuke wahlala phantsi ngasekunene kukaThixo ngokungapheliyo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

13okokugqibela elindé ukuba zide iintshaba zakhe zenziwe isihlalo seenyawo zakhe.

14Kuba ngamnikelo mnye ubenze bagqibelela ngokungapheliyo abo bangcwaliswáyo.

15Uyasingqinela ke naye uMoya oyiNgcwele; kuba, emveni kokuba etshilo ngenxa engaphambili ukuthi,

16Nangu wona umnqophiso, endiya kuwenza nabo Emva kwaloo mihla, itsho iNkosi, Ndiya kuyibeka imithetho yam ezintliziyweni zabo, Ndiya kuyibhala ezingqondweni zabo, ubuya athi,

17Izono zabo nokuchasa umthetho kwabo ndingabi sakukhumbula. (UYer. 31:33,34)

18Ke apho uxolelo lwezo zinto lukhona, akusekho mnikelo ngenxa yesono.

Isiyalo sokuzingisa elukholweni

19Ngoko, bazalwana, sínokungafihlisi nje ukungena kweyona ngcwele ngalo igazi likaYesu, ngendlela entsha,

20ephilileyo, awayisungulela thina, iphumela esikhuselweni, oku kukuthi, enyameni yakhe;

21sínombingeleli omkhulu nje phezu kwendlu kaThixo:

22masisondele sinentliziyo eyinyaniso, sínenzaliseko yokholo, sífefiwe iintliziyo zethu, sísusiwe isazela esingendawo. Masithi, sihlanjiwe nje umzimba ngamanzi amhlophe,

23silubambe uvumo lwethu lwethemba, lungabi nakuxengaxenga; kuba uthembekile lowo wabeka ngedinga.

24Kanjalo masinyamekelane, ukuba silolane eluthandweni nasemisebenzini emihle;

25singakuhilizeli ukuhlanganisana kwethu, njengesiko labanye. Masivuselelane kube kokukhona, niyibona nje ukuba imini leyo iyasondela.

26Kuba, xa sithi sone ngabomi, emveni kokuba sakwamkelayo ukwazi inyaniso, akusasele dini ngenxa yezono;

27sekusele ke ukulinda okoyikekayo kakhulu, umgwebo nomsindo womlilo, oza kudla abo bachasileyo.

28Umntu obegiba okaMoses umthetho, ubebulawa kungekho tarhu, ngezwi lamangqina amabini, nokuba mathathu.

29Niba wobeka phi na ke ukufanelwa kukubethwa okubi ngakumbi, lo umnyathelele phantsi uNyana kaThixo, walibalela ekuthini liyinqambi igazi lomnqophiso athe wangcwaliswa ngalo, wamgxeka uMoya wobabalo?

30Kuba siyamazi lowo watshoyo ukuthi, Impindezelo yeyam, kuya kubuyekeza mna, itsho iNkosi. Kananjalo wathi, INkosi iya kubagweba abantu bayo.

31Kuyoyikeka ke ukweyela ezandleni zoThixo ophilileyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

32Zikhumbuzeni ke imihla yangaphambili, enakhanyiselwa ngayo, nanyamezela umzamo omkhulu weentlungu;

33enaphatha ukuthi nenziwe isibonelo ngeengcikivo kwaneembandezelo, naphatha ukuthi nibe ngamadlelana nabo bahamba ngokunjalo.

34Kuba navelana nam ndisezintanjeni; kananjalo nakwamkela ngovuyo ukuphangwa kweempahla zenu, nisazi ukuba ninayo kuni ngokwenu emazulwini eyona mpahla ilungileyo, ihlala ihleli.

35Musani ukukulahla ngoko ukungafihlisi kwenu, kona kunokwamkela umvuzo omkhulu.

36Kuba kufuneka ukuba nibe nomonde, ukuze nithi, nakuba nikwenzile ukuthanda kukaThixo, nizuzane nalo idinga.

37Kuba kusaya kuba mzuzwana mncinanana, Athi lowo uzayo afike, angalibali.

38Ke lowo ulilungisa uya kudla ubomi obuphuma elukholweni; Ukuba ke úthe wahlehla, awuyi kukholiswa nguye umphefumlo wam. (UHabh. 2:3,4)

39Ke thina asingabahlehla baye entshabalalweni; singabokholo olusa ekuzuzeni umphefumlo.

KumaHebhere 11

Amakhalipha okholo ngokwemizekelo yeTestamente eNdala

1Ukholo ke kukukholosa ngezinto ezithenjiweyo; kukweyiseka bubukho bezinto ezingabonwayo.

2Kuba amanyange ángqinelwa ngokuba nalo olo.

3Ngokholo siyaqonda ukuba indalo le yonke yenziwe yabakho ngelizwi likaThixo, ukuze izinto ezi zibonwayo zibe aziphume kwezibonakalayo.

4Ngokholo uAbheli wasondeza kuye uThixo umbingelelo ogqithileyo kunokaKayin, awangqinelwa ngawo ukuba ulilungisa, uThixo wayingqinelayo nje iminikelo yakhe; ngalo ke, efile nje, usathetha.

5Ngokholo uEnoki wafuduselwa emazulwini ukuba angaboni kufa; akaba nakufunyanwa ke, ngenxa enokuba uThixo wamfudusayo; kuba ngaphambi kokufuduswa kwakhe, wangqinelwa ukuba umkholise kakuhle uThixo.

6Ke, lungekho ukholo, akunakubakho ukumkholisa kakuhle; kuba lowo uzayo kuThixo, umelwe kukukholwa ukuba ukho, nokuba ungumvuzi wabo bamfunayo.

7Ngokholo uNowa, ehlatyelwe nguThixo ngazo izinto ebezingekabonwa, wathi ngokoyika uThixo wawakha umkhombe wokusindisa indlu yakhe, awathi ngalo waligweba ihlabathi, waba yindlalifa yobulungisa obungokokholo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ngokholo uAbraham wathi, akubizwa, wakululamela ukuba aphume, aye kuloo ndawo abeza kuyamkela ukuba ibe lilifa; waphuma ke, engazi kakuhle nalapho aya khona.

9Ngokholo waba ngumphambukeli emhlabeni wedinga, wanga ukowasemzini, ehleli eminqubeni, ndawonye noIsake noYakobi, beziindlalifa zalo elo dinga ndawonye naye;

10kuba wayewulindele umzi lo uneziseko, ungcibi, umbangi wawo, inguThixo.

11Ngokholo noSara ngokwakhe wamkela amandla okumisa umzi, waza wazala, liseligqithile ixesha lokuba amithe, ekubeni wambalela ekuthini uthembekile lowo wabekayo ngedinga.

12Kungoko kwazalwayo ngamnye, engofileyo ke lowo, into engangeenkwenkwezi zezulu ukuba yintabalala, nanjengentlabathi eselunxwemeni lolwandle, engenakubalwa.

13Aba bonke bafa ngokokholo, bengawafumananga amadinga; besuka bawabona kude, bakholosa, bathakazela, bavuma ukuba bangabasemzini, balundwendwe emhlabeni.

14Kuba abo bàthetha izinto ezinjalo, babonakalalisa ukuba bangxamele ikowabo.

15Ke, ukuba okunene babekhumbula elo babephuma kulo, ngebaba nethuba lokubuyela kulo.

16Kodwa ngoku bazolulela kwelona lilungileyo, oko kukuthi, kwelasemazulwini. Kungoko uThixo angenazintloni ngabo, ukuba kuthiwe unguThixo wabo, kuba ebalungisele umzi.

17Ngokholo uAbraham wamnikela uIsake, akulingwa; waye, owawamkelayo ngovuyo amadinga lawo, enikela okuphela kwawamzalayo;

18ekwakuthethwe kuye kwathiwa, Iya kubizwa ngoIsake imbewu yakho;

19ecamanga ngokuthi, uThixo unako ukuvusa nakwabafileyo; apho athe ngoko wamzuza ngokomzekeliso.

20Ngokholo uIsake wabasikelela uYakobi noEsawu, ngazo izinto eziza kubakho.

21Ngokholo uYakobi uthe, xa aqhawukayo, wabasikelela oonyana bakaYosefu ngabanye, waqubuda esimelele ngentonga yakhe.

22Ngokholo uYosefu uthe, xa abhubhayo, wakukhankanya ukuphuma koonyana bakaSirayeli, wawisa umthetho ngawo amathambo akhe.

23Ngokholo uMoses uthe, akuba ezelwe, wafihlwa iinyanga zantathu ngabazali bakhe, ngenxa enokuba bambona ukuba ungumntwana omhle, abasoyika isimiselo sokumkani.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Ngokholo uMoses uthe, akuba mkhulu, akavuma ukubizwa ngokuthi ungunyana
wentombi kaFaro;

25enyula kanye ukuba aphathwe kakubi, ndawonye nabantu bakaThixo, kunokuba
axhamle izono okomzuzwana;

26ekubalele ukungcikivwa kukaKristu kububutyebi obungaphezu kobutyebi
baseYiputa, kuba wayekhangele ukwamkela umvuzo.

27Ngokholo wayishiya iYiputa, akawoyika umsindo wokumkani; kuba wakrota, wanga
uyambona lowo ungenakubonwa.

28Ngokholo uyenzile ipasika nokutshizwa kwegazi, ukuze lowo wayewatshabalalisa
amazibulo angawachukumisi.

29Ngokholo baluwela uLwandle oluBomvu, kwanga kusemhlabeniowomileyo; athe
amaYiputa, akukulinga oko, antywiliselwa.

30Ngokholo zawa iindonga zaseYeriko, zakuba zijikeleziwe iimini ezisixhenxe.

31Ngokholo uRahabhi ihenyukazi akatshabalalanga nabo bangevayo, akuba ezamkele
iintlola ngoxolo.

32Ndisathetha ntoni na? Kuba ndingáphelelwa lixesha ndibalisa ngoGidiyon,
kwanoBharaki, noSamson, noYifeta, kwanoDavide, noSamuweli, nangabo abaprofeti;

33abathe ngokholo beyisa izikumkani, basebenza ubulungisa, bazuzana namadinga,
bavingca imilomo yeengonyama,

34bacima amandla omlilo, basinda kwiintlangothi zekrele, bomelela ekubeni
bebeswele amandla, baba ngamagorha emfazweni, bagxotha imikhosi yabasemzini.

35Abafazi babazuza abafileyo babo bevukile; abanye ke batyakatywa,
bengalwamkelanga ukhululo, ukuze bazuzane nolona luvuko lululo.

36Bambi ke benziwa intlekisa, batyakatywa; phezu koko ke baviswa imixokelelwane
nentolongo;

37baxulutywa ngamatye; basarhwa; bahendwa; bafa kukubulawa ngekrele; bahamba
ngeengubo zeegusha nangeengaga zeebhokhwe, beswele,

38bebandezelwe, bephathwa kakubi (elalingabafanele ihlabathi), bedinga
koozintlango, noozintaba, noomiqolomba, nakwimingxuma yomhlaba.

39Aba ke bonke bathi, nakuba babengqinelwe ngalo ukholo, àbazuzana nalo idinga,

40uThixo esazalelele thina ngeyona nto ilungileyo, ukuze bangènziwa bagqibelele
ngaphandle kwethu.

KumaHebhere 12

Uqeqesho maluthotyelwe ngokomzekelo kaKristu

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ngako oko ke, sínelifu elingakanana nje elisingqongileyo lamangqina, masithi nathi, siwubekile nxamnye wonke umthwalo, naso isono esinokusirhawula ngokusisulu, silubaleke ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu;

2sise amehlo kuyo iMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu, uYesu, owathi, ngenxa yovuyo olwalubekwe phambi kwakhe, wawunyamezela umnqamlezo, elidelile ihlazo, waza wahlala phantsi ngasekunene kwetrone kaThixo.

3Ewe, mqondeni lowo ukunyamezeleyo ukumphikisa okungaka kwaboni, ukuze ningadinwa, ingatyhafi imiphefumlo yenu.

4Anikachasi kude kube segazini, nizamana naso isono.

5Kananjalo senilulibele uvuselelo olu, luthetha kuni ngathi kukoonyana, lusithi, Nyana wam, musa ukukucekisa ukuqeqesha kweNkosi, Kananjalo ungatyhafi wakohlwaywa yiyo;

6Kuba lowo imthandayo iNkosi iyamqeqesha, Ibatyakatye ke bonke oonyana ebamkelayo. (ImiZek. 3:11,12)

7Ukuba ninyamezela uqeqesho, uThixo woba uniphethe njengoonyana; kuba nguwuphi na unyana ongàqeqeshwayo nguyise?

8Ukuba ke aniqeqeshwa, abathe baba ngamadlelane ngalo bonke, noba nina niyimigqakhwe ngoko, aningoonyana.

9Kananjalo sibe sinabo oobawo benyama okunene besiqeqesha, sabahlonela; asiyi kuthi ngakumbi na sithobele uYise woomoya bonke, sidle ubomi?

10Kuba bona okunene basiqeqesha imihla embalwa, ngokokuzithandela kwabo, kodwa yena usiqeqeshela okusilungeleyo, ukuze sahlulelane ngobungcwele bakhe.

11Lonke ke uqeqesho okunene ngokwakalokunje alubonakali luluvuyo, lubonakala luyintlungu; kodwa kamva lubanika isiqhamo esiluxolo, oko kukuthi sobulungisa, abo baqhelisiweyo lulo.

12Kungoko endithi, Zimiseni izandla eziwileyo, namadolo anedumbe;

13iinyawo zenu nizenzele imizila ethe tye, ukuze into eqhwalelayo ingaphambuki endleleni, kanye ke iphiliswe.

14Phuthumani uxolo nabo bonke, nobungcwele, ekungekho namnye uya kuyibona iNkosi, engenabo;

15nivelela, ukuze kungabikho bani usilelayo elubabalweni lukaThixo, kungabikho ngcambu yabukrakra, ithi ivele ihlume, inikhathaze, bathi abaninzi badyojwe yiyo;

16kungabikho bani ulihenyu, nokuba ngumhlambeli, njengoEsawu, owathi ngenxa yentwana yokudla wananisa ngobuzibulo bakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Kuba niyazi ukuba wathi kamva, ethanda ukuyidla ilifa intsikelelo, walahlwa; kuba akafumananga thuba languquko, noko wayingxamelayo ngeenyembezi.

Ingozi enkulu yokungaliphulaphuli ilizwi likaThixo ngexesha lomnqophiso omtsha

18Kuba anisondelanga ntabeni iphathwayo, itshayo ngumlilo, nasithokothokweni, nabumnyameni, naluqhwitheleni,

19nasandini saxilongo, nasithongeni samazwi, abathe abo basiváyo bacela kabukhali, ukuba kungabi sathethwa lizwi kubo.

20Kuba babengenakukuthwala oko babeyalwa ngako; nokuba ithe inkomo yayichukumisa intaba, ibiya kuxulutywa ngamatye, ithi mhlawumbi ibinzwe ngomkhonto;

21yaza loo nto yabonakalayo yoyikeka, kangangokuba uMoses athi, Ndiyoyika kakhulu, ndiyagubha.

22Nisuké nina nafika eZiyon, entabeni nasemzini woThixo ophilileyo, kwiYerusalem yasemazulwini, nakumawakawaka ezithunywa zezulu,

23kwingqungquthela, nakwibandla lamazibulo abhaliweyo emazulwini, nakuThixo, uMgwebi wabo bonke, nakoomoya bamalungisa agqibeleleyo,

24nakuMlamleli womnqophiso omtsha, uYesu, nakwigazi lokufefa, elithetha ezona zinto zilungileyo kunelika-Abheli.

25Lumkani, ningamali lowo uthethayo. Ukuba ke abo, bamaláyo lowo wahlabayo izihlabo emhlabeni, abasindanga, kobeka phi na ke ukugqithisela kokungasindi kwethu, thina bamnikela umva lowo uhlaba esemazulwini;

26olizwi oko lawuzamazamisayo umhlaba; ngoku ke ubeke ngedinga, esithi, Kusaya kuba ngumzuzwana endiya kuthi mna ndinganyikimisi mhlaba wodwa, ndinyikimise nalo izulu.

27Oku kùthi ke, Kusaya kuba ngumzuzwana, kubonakalalisa ukuguqulwa kwezinto ezizanyazanyiswayo, ngathi kokwezenziweyo, ukuze zihlale zona ezingenakuzanyazanyiswa.

28Masithi ngoko, sisamkela ubukumkani obungenakuzanyazanyiswa nje, sibe nombulelo, simkhonze ngawo uThixo ngokukholekileyo, sinokuhlonela nokoyika;

29kuba uThixo wethu ungumlilo odlayo.

KumaHebhere 13

Iziyalo nezilumkiso

1Uthando lobuzalwana maluhlale luhleli.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Musani ukukulibala ukubuka iindwendwe; kuba ngokwenjenjalo inxenye ibuke izithunywa zezulu, ingazi.

3Bakhumbuleleni abakhonkxiweyo, ninge nikhonkxiwe nani; nabo ke baphathwa kakubi, njengokuba nisemzimbeni nani.

4Umtshato mawubekeke ngeendlela zonke, nesilili masingadyojwa; ke abenza umbulo nabakrexezi, uThixo uya kubagweba.

5Isimilo senu masibe sesingathandi mali, yanelani zizinto eninazo; kuba etshilo yena ukuthi, Andiyi kukha ndikuyekele; wabuya wathi, Andiyi kukha ndikushiye;

6ngokokude somelele sithi, INkosi ilusizo lwam, andiyi koyika; Wondenza ntoni na umntu? (INdum. 118:6)

7Bakhumbuleleni abakhokeli benu, abalithethayo kuni ilizwi likaThixo; nisingasinga impumelelo yehambo yabo, nixelise bona elukholweni lwabo.

8UYesu Kristu ukwanguye izolo, nanamhla, ase nakuwo amaphakade.

9Musani ukuphetshethwa ziimfundiso ngeemfundiso nezingezizo; kuba kúhle ukuba intliziyo iqine lubabalo; kungabi ngeento ezidliwayo, abangancedekanga zizo abo bahamba kuzo.

10Sinesibingelelo thina, abangenagunya lakudla kuso abo bakhonza umnquba.

11Kuba ezo zinto ziphilileyo, zigazi lazo lingeniswa ngenxa yesono kweyona ngcwele nguye umbingeleli omkhulu, imizimba yazo itshiselwa ngaphandle kweminquba.

12Kungoko athe noYesu, ukuze abangcwalise abantu ngelilelakhe igazi, weva ubunzima ngaphandle kwesango.

13Masiphume ke ngoko siye kuye ngaphandle kweminquba, sithwele ingcikivo yakhe.

14Kuba apha asinamzi uhleliyo, singxamele lowo uza kuza.

15Ngoko masithi ngaye sinyuse ngamaxesha onke kuye uThixo umbingelelo wendumiso, oko kukuthi, isiqhamo somlomo olivumayo igama lakhe.

16Ke ukwenza okuhle nobudlelane, musani ukukulibala; kuba imibingelelo enjalo uyakholiswa kakuhle yiyo uThixo.

17Bathambeleni abakhokeli benu, nibathobele; kuba bona àbalali, ngenxa yemiphefumlo yenu, ngokwabayá kuphendula, ukuze bakwenze oko bevuyile, bengancwini; kuba anisizakali kuko oko.

18Sithandazeleni; kuba sikholosekile kukuthi sinesazela esilungileyo, sínga ezintweni zonke singahamba kakuhle.

19Ndiyavuselela ke ngokugqithiseleyo, ukuba nikwenze oko, ukuze ndibuyiselwe kuni kamsinyane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Iintsikelelo nemibuliso

20Ke kaloku uThixo woxolo, lowo wamvusayo kwabafileyo uMalusi oMkhulu
wezimvu, ngegazi lomnqophiso ongunaphakade,

21iNkosi yethu uYesu, wanga anganilungisa, nigqibelele emisebenzini yonke
elungileyo, ukuze nikwenze ukuthanda kwakhe, esenza ngaphakathi kwenu oko
kukholekileyo emehlweni akhe, ngoYesu Kristu. Kuye makubekho uzuko, luse
emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

22Ndiyanivuselela ke nina, bazalwana, linyamezeleni ilizwi lovuselelo olu; kuba ke
ndinibhalele ngokufutshane.

23Yazini ukuba umzalwana wethu uTimoti ukhululwe; endothi, xa angaba uthe wafika
kamsinya, ndinibone ndinaye.

24Babuliseni bonke abakhokeli benu, nabo bonke abangcwele. Bayanibulisa abavela
eItaliya.

25Ubabalo malube nani nonke. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

EkaYakobi

EkaYakobi 1

Icebiso kwimicimbi eyahlukahlukeneyo

1UYakobi, umkhonzi kaThixo neNkosi uYesu Kristu, ubhalela izizwe ezilishumi elinazibini eziziintsali, ebulisa.

2Kubaleleni ekuthini kuluvuyo olukhulu, bazalwana bam, xa nithe nagaxeleka ezilingweni ngezilingo,

3nisazi nje ukuba ucikido lokholo lwenu lusebenza umonde.

4Umonde ke mawube nomsebenzi ozalisekileyo, ukuze nibe ngabazalisekileyo, abagqibeleleyo, ningaswele nto.

5Ukuba ke ubani kuni uswele ubulumko, makacele kuThixo, onika bonke engenakumbi, engangcikivi; wobunikwa.

6Ke makacele ekholwa, engathandabuzi; kuba lowo uthandabuzayo ufana nokulatyuza kolwandle, luqhutywa ngumoya, luntsileka.

7Kuba loo mntu makangabi uya kwamkela nto kuyo iNkosi.

8Indoda emphefumlo umbaxa iyahlozinga kuzo zonke iindlela zayo.

9Ke umzalwana othobekileyo makaqhayise ngako ukuphakama kwakhe;

10osisityebi ke makaqhayise ngako ukuthobeka kwakhe; ngokuba uya kudlula njengentyantyambo yengca.

11Kuba lithi lakuphuma ilanga, kunye nolophu, liyitshise ingca, ize ke intyantyambo yayo ivuthuluke, buthi nobuhle bembonakalo yayo butshabalale; síya kwenjenjalo nesityebi ukungcumbeka eluhambeni lwaso.

12Inoyolo indoda ekunyamezelayo ukulingwa; ngokuba yothi, yakuba icikidekile, isamkele isithsaba sobomi, ebabeke ngedinga iNkosi abo bayithandayo.

13Makungabikho namnye utshoyo akùhendwa ukuthi, Ndihendwa kwaThixo; kuba uThixo akanakuhendeka kokubi, akahendi namnye ke yena.

14Elowo ke uhendwa akutsalwa, abanjiswe, yeyakhe inkanuko.

15Ithi inkanuko, yakuba ithabathile, izale isono; sithi ke isono, sakuba sikhulelwe, sizale ukufa.

16Musani ukulahlekiswa, bazalwana bam baziintánda.

17Sonke isipho esilungileyo, naso sonke isipho esigqibeleleyo, sesaphezulu; síhla sivela kuye uYise wezikhanyiso, ongenabuyambo nasithunzi sakujika.

18Úthandile, wasizala ngelizwi lenyaniso, ukuze sibe yintlahlela yazo izidalwa zakhe.

IZIBHALO EZINGCWELE
© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

Unqulo oluyinyaniso

19Ngoko ke, bazalwana bam baziintánda, makathi umntu wonke enze msinya ukuva,
enze kade ukuthetha, enze kade ukuqumba;

20kuba ingqumbo yendoda ayisebenzi bulungisa bukaThixo.

21Kungoko endithi, yithini, nibubekile nxamnye bonke ubunyhukunyhuku
nokuphuphuma ulunya, namkele ninobulali ilizwi elimiselweyo kuni, elinako
ukuyisindisa imiphefumlo yenu.

22Yibani ke ngabenzi belizwi, ningabi ngabaphulaphuli kodwa, nizidephisela.

23Ngokuba umntu, ukuba ungumphulaphuli nje welizwi, engemenzi walo, lowo ufana
nendoda eqiqa ubuso bayo bobuntu esipilini;

24kuba iyaziqiqa, imke, ilibale kwaoko ukuba ibinjani na.

25Ke yena oqondela emthethweni ogqibeleleyo wayo inkululeko, ahlale ehleli kuwo,
lowo ethe nje akaba ngumphulaphuli olibalayo, esuke waba ngumenzi womsebenzi:
yena uya kuba noyolo ekwenzeni kwakhe.

26Ukuba ubani kuni uba ungonqulayo, abe engalubambi ngomkhala ulwimi lwakhe,
elukuhla intliziyo yakhe, unqulo lwalowo alunto yanto.

27Unqulo lona oluhlambulukileyo, olungadyobhekileyo phambi koThixo uBawo, lulo
olu: kukuvelela iinkedama nabahlolokazi embandezelweni yabo; kukuzigcina
engenabala kulo ihlabathi.

EkaYakobi 2

Impatheko yezityebi namahlwempu

1Bazalwana bam, musani ukukuphatha ngokukhetha buso bamntu, ukukholwa
yiNkosi yethu yozuko, uYesu Kristu.

2Kuba, xa kuthe kwangena endlwini yenu yesikhungu indoda enemisesane yegolide,
inengubo eqaqambileyo; kwaza ke kwangena ihlwempu, lineengubo ezimdaka;

3naza nakhangela kulowo uvethe ingubo eqaqambileyo, nathi kuye, Hlala apha
kakuhle wena; nathi kulo ihlwempu, Yima phaya wena; mhlawumbi, Hlala phantsi
apha ngasesihlalweni seenyawo zam:

4anicalulanga na ke phakathi kwenu, naba ngabagwebi abanezicamango
ezingendawo?

5Yivani, bazalwana bam baziintánda: uThixo akawanyulanga na amahlwempu eli
hlabathi, ukuba abe zizityebi zokholo, neendlalifa zobukumkani, awababeka
ngedinga abo bamthandayo?

6Ke nina nilihlazisile ihlwempu. Izityebi azinishicileli na? Zona azinirholeli ematyaleni
na?

© 1975 Bible Society of South Africa.

7Zona azilinyelisi na igama elihle elo, nabizwa ngalo?

8Ukuba okunene niyawuzalisa umthetho wakomkhulu, ngokwesibhalo esithi, Uze umthande ummelwane wakho ngoko uzithanda ngako, nityaphile;

9kodwa ukuba nikhetha ubuso bomntu, nisebenza isono, niyohlwaywa ngumthetho ngokwabagqithi.

10Kuba yena oya kuwugcina umthetho uphela, akhubeke mthethweni mnye, unetyala layo yonke.

11Kuba lowo wathi, Musa ukukrexeza, ubuye wathi, Musa ukubulala. Ke, ukuba akukrexezi, kodwa ubulala, usewuthe waba ngumgqithi-mthetho.

12Yithini ukuthetha, yithini ukwenza, nenze njengabaza kugwetywa ngomthetho wenkululeko.

13Kuba umgwebo awuyi kuba natarhu kulowo ungenzanga nceba; kananjalo inceba iyawuqhayisela umgwebo.

Malunga nokholo nemisebenzi

14Kunceda ntoni na, bazalwana bam, ukuba umntu uthi únokholo, abe imisebenzi ke engenayo? Lunako yini na ukumsindisa ukholo lwakhe?

15Ukuba ke umzalwana, nokuba ngudade, bathi bahambe zé, beswele ukudla imihla ngemihla,

16athi ke omnye wenu kubo, Hambani ninoxolo, yothani, hluthani; nibe ke ningàbaniki izinto ezo ziwufaneleyo umzimba: kunceda ntoni na?

17Ngokunjalo nalo ukholo, ukuba luthi lungabi namisebenzi, lufile ngokukokwalo.

18Wosuka omnye, athi, Wena unokholo, ke mna ndinemisebenzi; ndibonise ukholo lwakho olungenamisebenzi yakho; nam ndokubonisa ngokwasemisebenzini yam ukholo lwam.

19Wena uyakholwa ukuba uThixo mnye; uyatyapha; nazo iidemon ziyakholwa, zibe namanwele.

20Ùyathanda na ke ukwazi, mntundini ungento, ukuba ukholo olu, ingekho imisebenzi, lufile?

21UAbraham, ubawo wethu, akagwetyelwanga na ngokwasemisebenzini, akumnikela uIsake, unyana wakhe, phezu kwesibingelelo?

22Ùyabona ukuba ukholo lwalusebenzisana nemisebenzi yakhe, lwênziwa wagqibelela ukholo ngokwasemisebenzini?

23Saza sazaliseka isibhalo esithi, Wakholwa ke uAbraham nguye uThixo; kwaza oko kwabalelwa ebulungiseni kuye, wabizwa ngokuba sisihlobo sikaThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

24Niyabona ke ngoko, ukuba umntu uyagwetyelwa ngokwasemisebenzini; kungabi ngokwaselukholweni lodwa.

25Ngokunjalo ke, noRahabhi, ihenyukazi, akagwetyelwanga na ngokwasemisebenzini, akubamkela ngobubele abathunywa, ábakhuphele phandle ngayimbi indlela?

26Kuba, kwanjengokuba umzimba, ungekho umoya, ufile, ngokunjalo ukholo, ingekho imisebenzi, lufile nalo.

EkaYakobi 3

Ukulawulwa kolwimi

1Musani ukuba ngabafundisi abaninzi, bazalwana bam, nisazi nje ukuba siya kwamkela olona lukhulu ugwebo.

2Kuba siyakhubeka kaninzi sonke. Ukuba umntu akakhubeki zwini, lowo uyindoda egqibeleleyo, enako ukuwubamba ngomkhala nawo umzimba uphela.

3Yabona, sifaka imikhala emilonyeni yamahashe, ukuba asithambele, siwajike umzimba wawo uphela.

4Yabona, nayo imikhombe, ímikhulu kangaka nje, íqhutywa nje yimimoya enamandla, ijikwa ngomthi wokujika omncinanana, iye apho sukuba umlawuli angxamele ukuba ingaya ngakhona.

5Ngokunjalo nalo ulwimi, lulilungu elincinanana nje, luyagwagwisa kakhulu. Yabona ke, umlilo omncinane utshisa ihlathi elikhulu.

6Nolwimi olu ngumlilo, lihlabathi elizele kukungalungisi; lunjalo ulwimi ukuhlala phakathi kwamalungu ethu. Lona luyawudyobha umzimba uphela, luvuthisa intenda yobomi; lona ke luvuthiswa sisihogo somlilo.

7Kuba zonke iimvelo zezinto ezizitho ziné, kwanezeentaka, nezezinambuzane, kwanezezinto eziselwandle, ziyadanjiswa, kanjalo sezikhe zadanjiswa yimvelo eyiyeyabantu;

8ke lona ulwimi alunaye noko amnye ebantwini, unokuludambisa; lubububi obungenakubanjwa, luzele bubuhlungu obubulalayo.

9Ngalo siyambonga uThixo uYise, nangalo siyabaqalekisa abantu abenziwe ngokomfanekiselo kaThixo.

10Kwakuló mlomo mnye kuphuma intsikelelo nengqalekiso. Akufanelekile, bazalwana bam, ukuba ezi zinto zibe nje.

11Umthombo umpompoza amnandi nakrakra kwangelo liso linye, yini na?

12Únako yini na, bazalwana bam, umkhiwane úkuvelisa iinkozo zomnquma, uthi umdiliya uvelise amakhiwane? Ngokunjalo akukho namnye umthombo ongávelisa amanzi amtyuba namnandi.

© 1975 Bible Society of South Africa.

Ubulumko obubuxoki nobuyinyaniso

13Ngubani na olumkileyo, owaziyo kakuhle phakathi kwenu? Makayibonise imisebenzi yakhe ngehambo entle, enobulali bobulumko.

14Ke, ukuba ninomona okrakra neyelenqe entliziyweni yenu, musani ukuyiqhayisela nokuyixoka inyaniso.

15Obo bulumko asibubo obuhla phezulu; bobasemhlabeni, bobemvelo, bobeedemon.

16Kuba apho kukhoyo umona neyelenqe, kubakho isiphithiphithi nemicimbi emibi yonke.

17Ke bona ubulumko baphezulu ukuqala bunyulu, buze bube boboxolo; buyancendezela, buthozamé kakuhle, buzele yinceba neziqhamo ezilungileyo; abunankani, abunaluhanahaniso.

18Isiqhamo ke sobulungisa sihlwayelwa ngoxolo ngabo benza uxolo.

EkaYakobi 4

Ukuchasa iingxabano zobucalucalu

1Zivela phi na iimfazwe nokulwa phakathi kwenu? Aziveli na apha eziyolweni zenu, eziwaphumela umkhosi amalungu enu?

2Niyakhanuka, ningabi nakuzuza nto noko; niyabulala, nizonde, ningabi nakufumana nto noko; niyalwa, nenze imfazwe, ningabi nakuzuza nto ke, ngenxa yokuba ningaceli.

3Niyacela, ningamkeli noko, ngenxa enokuba nicela kakubi, ukuze oko nikuchithele iziyolo zenu.

4Bakrexezindini, bakrexezikazindini, anazi na ukuba ubuhlobo balo ihlabathi bubutshaba kuye uThixo? Othe ngoko wanga angaba sisihlobo salo ihlabathi, uzenza utshaba lukaThixo.

5Okanye niba isibhalo esi sifumana sisitsho na, ukuthi, Umoya owahlala ngaphakathi kwethu ulangazelela ukukhweleta?

6Ke úbabala kakhulu ngakumbi. Kungoko síthi, UThixo uyabachasa abanekratshi, abababale abazithobileyo.

7Mthobeleni ngoko uThixo. Mchaseni ke uMtyholi, wonibaleka.

8Sondelani kuye uThixo, wosondela kuni. Hlambululani izandla, boni, nenze nyulu iintliziyo, nina bamphefumlo umbaxa.

9Yibani ziindwayi, nikhedame, nilile; ukuhleka kwenu makujike kube kukukhedama, nalo uvuyo lwenu lube kukuthi dakumba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Zithobeni emehlweni eNkosi, yoniphakamisa.

11Musani ukuthetha okubi omnye ngomnye, bazalwana. Lowo uthetha okubi ngomzalwana, amgwebe umzalwana wakhe, uthetha okubi ngomthetho, agwebe umthetho; ke, ukuba ùyawugweba umthetho, akumenzi wamthetho, ungumgwebi.

12Mnye uMmisi-mthetho, lowo unako ukusindisa nokutshabalalisa; ùngubani na wena, umgwebayo omnye?

Ukuchasa ukuzingca kwezityebi

13Wenani kaloku, nina nitshoyo ukuthi, Namhla, nokuba kungomso, siya kuya kulaa mzi, senze khona umnyaka ube mnye, sirhwebe, sizuze;

14kanti nina aba anikwazi kakuhle okwangomso. Kuba buyintoni na ubomi benu? Bungumphunga obonakala ixesha elincinane, uze ke uthi shwaka.

15Endaweni yokuba nithi, Ukuba iNkosi ithe yathanda, saphila, siya kwenza le nto, nalaa nto.

16Ngoku ke niqhayisa ngokuqhankqalaza kwenu; konke ukuqhayisa okunjalo akundawo.

17Ngoko kowaziyo ukwenza okuhle, angakwenzi, kulowo kusisono.

EkaYakobi 5

Ukuchasa ingcinezelo eyenziwa zizityebi

1Wenani kaloku, zityebi, lilani nenze isijwili ngeenkxwaleko zenu ezizayo.

2Ubutyebi benu bubolile, neengubo zenu zidliwe ngamanundu.

3Igolide nesilivere yenu idliwe ngumhlwa; umhlwa wazo uya kuba lingqina ngakuni, uyidle inyama yenu njengomlilo. Niziqwebéle ubutyebingeemini zokugqibela.

4Yabonani, umvuzo wabasebenzi, abavune amasimi enu, lowo ubandeziweyo nini, uyakhala; kwaye ukubhomboloza kwabavuni abo kungenile ezindlebeni zeNkosi yemikhosi.

5Nadla ubuncwane emhlabeni apha, naxhamla iziyolo, nazondla iintliziyo zenu njengamhla kuxheliweyo.

6Namgweba, nambulala olilungisa; yena akanichasi.

Ukukhuthaza umonde

7Nyamezelani ngoko, bazalwana, ide ifike iNkosi. Niyabona, umlimi uyasilinda isiqhamo sawo umhlaba esinexabiso elikhulu, anyamezele ngaso, side samkele eyaphambili neyasemva imvula.

8Nyamezelani nani, zizimaseni iintliziyo zenu, ngokuba ukufika kweNkosi kusondele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Musani ukukrokrelana omnye nomnye, bazalwana, ukuze ningagwetywa; yabonani, uMgwebi umi phambi komnyango.

10Bathabatheni, bazalwana bam, abaprofeti ababethetha egameni leNkosi, babe ngumzekelo wokuva ubunzima, nowokunyamezela.

11Yabonani, sithi, bonoyolo abo banyamezelayo. Unyamezelo lukaYobhi naluva, nesigqibo seNkosi nasibona, ngokuba iNkosi inemfesane enkulu, inenceba.

12Ke kaloku, ngaphezu kweento zonke, bazalwana bam, musani ukufunga, nokuba lizulu, nokuba ngumhlaba, nokuba sesinye isifungo esiyini; makathi ke uewe wenu abe nguewe, nohayi abe nguhayi, ukuze ningeyeli ekugwetyweni.

Amandla omthandazo

13Kukho mntu na phakathi kwenu uva ububi? Makathandaze. Kukho mntu na unomxhelo owonwabileyo? Makenze indumiso.

14Kukho mntu na ufayo phakathi kwenu? Makabizele kuye amadoda amakhulu alo ibandla, athandaze wona phezu kwakhe, akuba emthambisile ngeoli, egameni leNkosi;

15wothi umthandazo wokholo umsindise lowo uleleyo, iNkosi imvuse; nokuba ubethe wenza izono, wozixolelwa.

16Xelelanani iziphoso, nithandazelane, ukuze niphiliswe. Sínamandla kakhulu isikhungo selungisa, siyeyisa.

17UEliya wayengumntu oluvo lunjengolwethu, wathandaza umthandazo ukuba inganí; ayaná emhlabeni iminyaka emithathu eneenyanga ezintandathu.

18Wabuya wathandaza, laza izulu lanika imvula, umhlaba wavelisa isiqhamo sawo.

19Bazalwana, ukuba uthe omnye phakathi kwenu walahleka enyanisweni, wathi ubani wamguqula,

20makazi ukuba lowo wamguqulayo umoni ekulahlekeni kwakhe, woba usindise umphefumlo ekufeni, wagubungela inkitha yezono.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KaPetros I

KaPetros I 1

Umbuliso

1UPetros, umpostile kaYesu Kristu, ubhalela abanyuliweyo abangabaphambukeli
kwiintsali ezikwelasePonto, kwelaseGalati, kwelaseKapadoki, kwelaseAsiya,

2nakwelaseBhitini, abanyuliweyongokokwazi kwenxa engaphambili kukaThixo uYise,
ebungcweleni boMoya, kuse ekululameleni nasekufefweni kwegazi likaYesu
Kristu: uthi, Makwandiswe kuni ubabalo noxolo.

Ukubulelwa kwethemba losindiso

3Makabongwe uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu, othe ngokobuninzi
benceba yakhe, wasizala ngokutsha, ukuba sibe nethemba eliphilileyo ngokuvuka
kukaYesu Kristu kwabafileyo;

4sibe nelifa elingenakonakala, elingenakudyobheka, elingenakuguga, eniligcinelweyo
emazulwini,

5nina bàthe ngamandla kaThixo ngokholo balondolozelwa elusindisweni,
olulungiselwe ukutyhilwa ngexesha lokugqibela.

6Enigcoba ngalo, nokuba nithe naba buhlungu umzuzwana ngoku, ukuba nimelwe
kuko, phakathi kwezilingo ngezilingo;

7ukuze ukucikideka kokholo lwenu kufunyanwe kunqabile kakhulu, ngaphezu
kwegolide le itshabalalayo, noko icikidwa ngomlilo; kuse kuyo indumiso nembeko
nozuko ekutyhilekeni kukaYesu Kristu.

8Enithe, ningambonanga nje, namthanda; enithi ke nikholwa kuye, noko ngoku
ningamboniyo, nigcobe ngovuyo olungathethekiyo, oluzukisiweyo;

9nisamkela isiphelo sokholo lwenu, usindiso ke lwemiphefumlo yenu.

10Usindiso abathe babuzisa, baphengulula kunene ngalo abaprofeti, ababeprofeta
ngalo ubabalo olwamiselwa nina;

11bephengulula ukuba wayesalatha xesha lini na, linjani na, uMoya kaKristu,
awayezingqinela kubo ngenxa engaphambili iintlungu ezamiselwa uKristu, nozuko
oluya kuzilandela.

12Abatyhilelwáyo ukuba àbazilungiseleli bona ngokwabo; bazilungiselela thina ke,
izinto enizityelweyo ngoku ngabo banishumayezáyo iindaba ezilungileyo ngoMoya
oyiNgcwele, owathunywa evela emazulwini; izinto ke ezo ezizinqwenelayo
izithunywa zezulu ukuqondela kuzo.

Isimilo sobuKristu

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Ngoko, bhinqani izinqe zengqondo yenu, ninobungcathu, niluthembe
ngokugqibeleleyo ubabalo oluziswa kuni ekutyhilekeni kukaYesu Kristu;

14ngokwabantwana bolulamo, ningamilisi okweenkanuko zangaphambili ekungazini
kwenu;

15nithi ke, ngokokwalowo ungcwele wanibizayo, nibe ngcwele nani ngokwenu kuyo
yonke ihambo.

16Ngenxa enokuba kubhaliwe kwathiwa, Yibani ngcwele, ngokuba ndingcwele mna.

17Kanjalo, ukuba nimnqula ngokoYihlo, lowo ugweba ngokowalowo umsebenzi,
engakhethi buso, lihlaleni ixesha lokuphambukela kwenu apha nizoyikela;

18nisazi nje ukuba anihlawulelwanga nikhululwe ngazinto zinakonakala, oozisilivere
noozigolide, kuyo ihambo yenu engento, enayinikelwayo ngooyihlo.

19Kwakungegazi elinqabileyo likaKristu, njengelemvana engenasiphako, engenabala;

20owaziwáyo ngenxa engaphambili okunene, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi,
kodwa wabonakalaliswa ekugqibeleni kwamaxesha la ngenxa yenu, nina nikholwayo
ngaye kuThixo,

21owamvusayo kwabafileyo, wamzukisa, ngokokuze ukholo lwenu nethemba lenu
libe kuThixo.

22Niyenzé nyulu nje imiphefumlo yenu ngokuyilulamela inyaniso ngoMoya, kuse
ekuthandeni abazalwana okungenaluhanahaniso, thandanani ngenyameko,
ngokwasentliziyweni ehlambulukileyo;

23nizelwe nje ngokutsha, kungengokwasembewini enokonakala,
kungokwasembewini engenakonakala, ngelizwi likaThixo eliphilileyo, elihleliyo
ngonaphakade.

24Ngenxa enokuba Yonke inyama injengengca, Nabo bonke ubuqaqawuli bomntu
bunjengentyantyambo yengca. Ingca iyoma, ivuthuluke nentyantyambo yayo;

25Ke lona ilizwi leNkosi lihleli ngonaphakade. (UIsaya 40:6,8) Elo ke leli lizwi
lashunyayelwayo kuni ngeendaba ezilungileyo.

KaPetros I 2

1Ngoko, nílulahlile nje lonke ulunya, nayo yonke inkohliso, nokuhanahanisa, nomona,
nako konke ukuthetha okubi,

2walangazeleleni, ngokweentsana ezisandula ukuzalwa, amasi angawelizwi,
angenankohliso, ukuze nikhule ngawo;

3ukuba okunene nikuvile, ukuba iNkosi inobubele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Nisiza nje kuyo, ililitye eliphilileyo, licekisiwe okunene ngabantu, kodwa línyuliwe nguThixo, línqabile:

5nani ngokwenu, njengamatye aphilileyo, yakhekani nibe yindlu eyiyeyomoya, isibingeleli esingcwele sokunyusa imibingelelo eyiyeyomoya, eyamkeleka kakuhle kuye uThixo ngoYesu Kristu.

6Kungoko ikhoyo nokubakho esibhalweni indawo ethi, Yabona, ndibeka eZiyon ilitye lembombo, elinyuliweyo, elinqabileyo; Lowo ukholwayo kuye akayi kukha adaniswe. (UIsaya 28:16)

7Kuni ngoko bakholwayo, liyimbeko; ke kwabangevayo, Ilitye abalicekisáyo abakhi, Lelona laba yintloko yembombo,

8Ilitye ke lokuwisa, iliwa ke lokukhubekisa, (INdum. 118:22) kwabo bakhubekayo, bengaliva ilizwi; into ke leyo abamiselwe nokumiselwa yona.

9Ke nina nisisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo, ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ukuba niphume ebumnyameni, ningene ekukhanyeni kwakhe okungummangaliso;

10enanifudula ningebantu, ke ngoku ningabantu bakaThixo; enaningenzelwanga nceba, ke ngoku nenzelwe inceba.

11Zintanda, ndiyanivuselela njengabaphambukeli nabasemzini, ukuba nikhumke ezinkanukweni ezizezenyama, zona ziwuphumele umkhosi umphefumlo.

12Ihambo yenu mayibe ntle phakathi kweentlanga; ukuze kuloo nto bathetha okubi ngani, ngathi ningabenzi bokubi, bathi ngokubona imisebenzi yenu emihle, bamzukise uThixo ngomhla wokuvelelwa.

Ukuthobela umbuso

13Wuthobeleni ngoko wonke ummiso ongowomntu, ngenxa yayo iNkosi; nokuba ngukumkani, njengowongamileyo;

14nokuba ngabalawuli, njengabathunyiweyo nguye, ukuze baphindezele okunene kubenzi bokubi, badumise abenzi bokulungileyo.

15Ngokuba ukuthanda kukaThixo kukuba níthi, ngokwenza okulungileyo, nibethe ithi cwaka intswela-kwazi yabantu abaziintswelikuqonda;

16nithi ningabakhululekileyo nje, ningabi ngabayenza inkululeko ibe sisigqubuthelo sobubi; nibe ngabakhonzi bakaThixo.

17Bekani abantu bonke. Thandani isizalwana. UThixo moyikeni. Ukumkani mbekeni.

Intsingiselo yokukhonza

18Nina zicaka, bathobeleni ninako konke ukoyika abanikhonzisayo, ingabi ngabalungileyo nabathantamisayo bodwa, ibe kwanabagwenxa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Kuba oku kuyabuleleka, ukuba umntu uthwala iintsizi, ngenxa yokumazi uThixo,
eve ubunzima esoniwa.

20Kuba kuya kuba ludumo luní na, ukuba ninyamezele nakuntlithwa nisona? Ke
ukuba nithi, nisenza okulungileyo, nive ubunzima, nize ninyamezele, oko
kuyabuleleka kuThixo.

21Kuba nabizelwa oko; ngokuba noKristu weva ubunzima ngenxa yethu, esishiya
nomzekelo, ukuze silandele emkhondweni wakhe:

22ongenzanga sono, ekungafunyanwanga nkohliso emlonyeni wakhe;

23obesithi, etshabhiswa, angaphindezeli atshabhise, athi esiva ubunzima,
angaphindezeli asongele; ke ubeyekele kulowo ugwebayo ngokobulungisa;

24owathi ngokwakhe, izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emthini, ukuze
sithi, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni; omivumbo yakhe naphiliswa ngayo.

25Kuba beninjengezimvu zilahlekile, koko nisuke ngoku nabuyela kuye uMalusi
noMveleli wemiphefumlo yenu.

KaPetros I 3

Amadoda nabafazi bawo

1Ngokunjalo, nina bafazi, wathobeleni awenu amadoda, ukuze kuthi, nokuba kukho
kuwo angalivayo ilizwi, athi ngehambo yabafazi, lingekho ilizwi, azuzeke;

2ebonela ihambo yenu enyulu, enoloyiko.

3Ukuhomba kwenu makungabi kokwangaphandle, kokulukwa kweenwele,
nokunxitywa kwegolide, nokwambathwa kweengubo;

4makube kokomntu ofihlakeleyo wentliziyo, ovethe ukungonakali, umoya onobulali,
ozolileyo, oxabiso likhulu emehlweni kaThixo.

5Kuba babefudula besenjenjalo abafazi abangcwele, abo babemthembile uThixo,
ukuhomba kwabo, bewathobele awabo amadoda;

6njengokuba uSara wamlulamelayo uAbraham, embiza ngokuthi yinkosi;
eningabantwana bakhe nina, nákuba nisenza okulungileyo, ningoyiki nto yethusayo.

7Ngokunjalo, nina madoda, hlalani nabo ngokokwazi, nimbeka umfazi, njengesona
sitya siethe-ethe, njengeendlalifa kunye nani zobabalo lobomi, ukuze imithandazo
yenu ingathinteleki.

Uthandano lobuKristu

8Elokugqiba, cingani nto-nye nonke, velanani, thandanani njengabazalwana, yibani
nemfesane kakhulu, yibani nobubele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

9Ningabuyekezi ububi ngobubi, nokutshabhisa ngokutshabhisa; kanye ke sikelelani,
nisazi ukuba nabizelwa oku, ukuze niyidle ilifa intsikelelo.

10Kuba Lowo unga angathanda ubomi, Ayibone imihla elungileyo, Makaluphezise
ulwimi lwakhe ebubini, Nomlomo wakhe ungathethi inkohliso;

11Makaphambuke ebubini, enze okulungileyo; Makafune uxolo, aluphuthume.

12Ngokuba amehlo eNkosi aphezu kwamalungisa, Neendlebe zayo zisingisele
esikhungweni sawo; Ke ubuso beNkosi buphezu kwabenza okubi. (INdum. 34:12-16)

Ukunyamezela intswela-bulungisa ngokomzekelo kaKristu

13Kananjalo ngubani na yena owonona, ukuba nithe naba ngabalandeli
bokulungileyo?

14Nokuba nithe neva ubunzima ngenxa yobulungisa, ninoyolo; musani ukoyika
ngokoyikisa kwabo, ningakhathazeki nokukhathazeka.

15INkosi ke uThixo yingcwaliseni ezintliziyweni zenu, nihlale ke nikulungele
ukuziphendulela kumntu wonke obuzayo kuni ilizwi, ngalo ithemba elingaphakathi
kwenu, ninobulali noloyiko;

16ninesazela esilungileyo, ukuze kuloo nto banithethela okubi, ngathi ningabenzi
bokubi, badane abo bayigxekayo ihambo yenu elungileyo kuKristu.

17Ukuba ke kungaba kukuthanda kukaThixo ukuba nive ubunzima, okona
kunilungeleyo kukubuva nisenza okulungileyo, kunokubuva nisenza okubi.

18Ngokuba noKristu wabuva kwakanye ubunzima ngenxa yezono, ilungisa lisiva
ubunzima ngenxa yabangemalungisa, ukuze asisondeze kuye uThixo; ebulewe
okunene esenyameni, kodwa edliswe ubomi ekuwo umoya.

19Awathi ekuwo, waya washumayela koomoya abasekukhonkxweni,

20ababefudula bengeva, xenikweni ukuzeka kade umsindo kukaThixo kwakulindile
ngemihla kaNowa, kwakubon' ukuba kulungiswa umkhombe, ekwasindiselwa kuwo
imiphefumlo embalwa, oko kukuthi esibhozo, ngamanzi.

21Olusisindisayo ngawo nathi ngoku ubhaptizo ngokomfuziselo; olungekuko ukulahla
ubunyhukunyhuku benyama; olukukubúzisa kuThixo kwesazela esilungileyo,
ngokuvuka kukaYesu Kristu;

22osekunene kukaThixo, eye emazulwini, kwakubon' ukuba kuthotyelwe phantsi
kwakhe izithunywa zezulu, noomagunya, namandla.

KaPetros I 4

Ukulahlwa kwesono

© 1975 Bible Society of South Africa.

1Ekubeni ngoko uKristu eve ubunzima ngenxa yethu esenyameni, xhobani nani kwaloo ngcingane; ngokuba lowo uve ubunzima esenyameni, ukhunyulwe ekoneni;

2ukuze ixesha eliseleyo enyameni ningabi saliphilela ezinkanukweni zabantu, niliphilele ekuthandeni kukaThixo.

3Kuba lisanele ixesha elidluleyo lokuphila kwethu, esasisenza ukuthanda kweentlanga, sasihamba nje eburheletyweni, ezinkanukweni, ekutshisweni yiwayini, ezindywaleni, emithayini, nasekukhonzeni izithixo, okungekhona esikweni;

4abathe nqa ngako ukuba ningabaleki kunye nabo, ukuya kwakuwo loo melelo wokuzibhubhisa, benyelisa;

5abaya kuphendula kulowo ulungele ukugweba abaphilileyo nabafileyo.

6Kuba ngenxa yoku zashunyayelwa iindaba ezilungileyo nakwabafileyo, ukuze bagwetywe okunene ngokwabantu besenyameni, kodwa badle ubomi ngokukaThixo, bekuwo umoya.

7Ke kaloku ukuphela kwezinto zonke kusondele. Yibani nesidima ngoko, nibe nobungcathu, ukuba nithandaze.

8Ngaphezu kweento zonke ke, yibani nothandano olunyamekileyo, ngokuba uthando luya kugubungela inkitha yezono.

9Bukanani, ningenakukrokra.

10Yithini elowo, njengoko wasamkelayo isipho sokubabalwa, nilungiselelane ngaso, njengamagosa amahle obabalo ngobabalo lukaThixo.

11Ukuba umntu uyathetha, makathethe ngokwezihlabo zikaThixo; ukuba umntu uyalungiselela, makalungiselele ngokwasekomeleleni akuphiwa nguThixo, ukuze ezintweni zonke azukiswe uThixo ngoYesu Kristu, elulolwakhe uzuko namandla, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

Ilungelo lokubulaleka ngenxa kaKristu

12Zintanda, musani ukuwuthela nqa umlilo okhoyo phakathi kwenu wokunilinga, ngathi nihlelwa yinto yokuthelwa nqa.

13Yithini, njengoko ningamadlelane ngeentlungu zikaKristu, nivuye; ukuze, nasekutyhilekeni kobuqaqawuli bakhe, nivuye nigcoba.

14Ukuba niyangcikivwa ngenxa yegama likaKristu, ninoyolo; ngokuba uMoya wozuko nokaThixo uphumle phezu kwenu; ngokukokwabo okunene uyanyeliswa, kodwa ngokukokwenu uyazukiswa.

15Makungabikho ke bani kuni uva ubunzima ngokombulali, nangokwesela, nangokomenzi wobubi, nangokovelela izinto angatheni nazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

16Ukuba ke ubani uva ubunzima ngokuba engumKristu, makangadani; makamzukise
ke uThixo ngaloo ndawo.

17Ngokuba lixesha lokuba ugwebo luqale ngendlu kaThixo. Ukuba ke luqala ngathi,
koba yintoni na ukuphela kwabo bangàzivayo iindaba ezilungileyo zikaThixo?

18Kanjalo ukuba nelungisa eli lisindiswa ngenkankulu, ongahloneli Thixo nongumoni
woba phi na?

19Ngoko ke abo babuvayo ubunzima ngokokuthanda kukaThixo, mabayiyaleze kuye
imiphefumlo yabo, enguMdali othembekileyo ekwenzeni okulungileyo.

KaPetros I 5

Ukuvuselelwa kwamadoda amakhulu

1Amadoda amakhulu la aphakathi kwenu ndiyawavuselela, ndikwayindoda enkulu
kunye nawo, nengqina leentlungu zikaKristu, nedlelane nawo ngobuqaqawuli obuza
kutyhileka.

2Walúseni umhlambi kaThixo ophakathi kwenu, niwuvelela, kungengakunyanzelwa,
makube ngokokuzithandela; kungengenxa yenzuzo embi, makube
ngokuthumekelela;

3kungabi njengabazigagamelayo izahlulo zawo, yibani yimizekelo kumhlambi.

4Nòthi, akubonakala uMalusi oyintloko, nisifumane isithsaba salo uzuko
esingabuniyo.

Ukuvuselela ngokuvuselela

5Ngokunjalo, nina manci, wathobeleni amadoda amakhulu. Thobelanani nonke ke,
ninxibe ukuthobeka kwentliziyo; ngokuba uThixo uyabachasa abanekratshi,
abababale ke abazithobileyo.

6Zithobeni ngoko ngaphantsi kwesandla esinamandla sikaThixo, ukuze aniphakamise
ngexesha elifanelekileyo.

7Lonke ixhala lenu liphoseni phezu kwakhe, ngokuba yena enikhathalele.

8Yibani nobungcathu, phaphani; ngokuba ummangaleli wenu, uMtyholi, uhamba
njengengonyama egqumayo, efuna ubani angamginyayo;

9mchaseni lowo, nizimasekile elukholweni, nisazi ukuba kwaezo ntlungu ziyenzeka
kubo abazalwana benu abasehlabathini.

10Ke kaloku uThixo walo lonke ubabalo, owasibizelayo eluzukweni lwakhe
olungunaphakade, sikuKristu Yesu, wanga angathi ngokwakhe, nákuba nivé
ubunzima umzuzwana, anilungise nigqibelele, anizimase, anomeleze, anisekele.

11Kuye makubekho uzuko namandla, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

12NgoSilvano, umzalwana othembekileyo, njengoko ndicinga ngako, ndibhale kuni
ngokufutshane, ndivuselela, ndingqina ukuba olu lúbabalo oluyinene lukaThixo,
nimiyo kulo.

13Liyanibulisa ibandla eliseBhabheli, elinyuliweyo kunye nani; noMarko unyana wam
uyabulisa.

14Bulisanani ngolwango lothando. Uxolo malube kuni nonke enikuKristu. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KaPetros II

KaPetros II 1

Umbuliso

1USimon Petros, umkhonzi nompostile kaYesu Kristu, ubhalela abo baluzuzileyo
ukholo oluxabiso lunye nolwethu, ebulungiseni bukaThixo wethu, uMsindisi wethu
uYesu Kristu:

2uthi, Makwandiswe kuni ubabalo noxolo, ngokumazi uThixo, noYesu, iNkosi yethu.

Isimilo namalungelo obuKristu

3Nibona nje, ukuba amandla akhe obuThixo asiphile zonke izinto ezisingise ebomini
nasekuhloneleni uThixo, ngako ukumazi lowo wasibizayo ngozuko nesidima.

4Esithé ngezo zinto, saphiwa amadinga amakhulukazi, anqabileyo, ukuze ngawo nibe
ngamadlelane ngemvelo yobuThixo, nisinde ekonakaleni okukhoyo ehlabathini
ngenkanuko.

5Ewe, ngenxa yoko, nákuba niqokele ukukhuthala konke, yithini elukholweni lwenu
nongezelele isidima; esidimeni ke, ukwazi;

6ekwazini ke, ukuzeyisa; ekuzeyiseni ke, umonde; emondeni ke, ukuhlonela uThixo;

7ekuhloneleni ke uThixo, ukuthanda abazalwana; ekuthandeni ke abazalwana,
ukuthanda abantu bonke.

8Kuba xa zikhoyo ezo zinto kuni, zisanda, zinenza ukuba ninganqeni, ningabi
ngabaswele isiqhamo ekuyazini iNkosi yethu uYesu Kristu.

9Kuba lowo zingekhoyo kuye ezo zinto, uyimfama; ubona luzizi, ekulibele
ukuhlanjululwa kwezono zakhe zakudala.

10Endithi ngoko, bazalwana, makube kukhona nikhuthalele ukulwenza luqine ubizo
nonyulo lwenu; kuba, nákuzenza ezo zinto, anisayi kukha nikhubeke.

11Kuba ngokunjalo nophiwa ngokobutyebi ukungena ebukumkanini
obungunaphakade beNkosi yethu, uMsindisi uYesu Kristu.

Ukusondela kokufa kukaPetros

12Kungoko ndingakuyekiyo ukuhlala ndinikhumbuza ngezo zinto, noko nizaziyo,
nizimasekileyo enyanisweni leyo ikhoyo kuni.

13Ndiba ke kububulungisa, ukuba ngalo gama ndikuló mnquba, ndinivuse
ngokunikhumbuza;

14ndisazi nje ukuba kukufuphi ukubekwa nxamnye kwaló mnquba wam, njengokuba
nayo iNkosi yethu uYesu Kristu yandazisayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Kananjalo ndiya kukhuthalela ke ukuba nibe nako, amaxa onke emva kokumka kwam, ukuzikhunjuzwa ezo zinto.

Ubungqina bukaPetros nobo babaprofeti

16Kuba sithe, singalandelanga zintsomi zabuqhinga, sanazisa amandla nokufika kweNkosi yethu uYesu Kristu; sithe saba ngababoneli bobungangamsha bakhe.

17Kuba wamkela kuThixo uYise imbeko nozuko, ekuzisweni kuye, bubuqaqawuli obubalaseleyo, izwi elinjengeli: Lo nguNyana wam oyintánda, endikholisiweyo mna nguye.

18Nelo zwi ke saliva thina, lisiza liphuma ezulwini, sinaye entabeni leyo ingcwele.

19Kanjalo sinalo nelona lizwi liqinisekileyo elilelobuprofeti, enityaphayo ukulinyamekela, linjengesibane esikhanyisa endaweni emnyama, kude kuse, liphume ikhwezi ezintliziyweni zenu;

20nisazi oku kuqala, ukuba sonke isiprofeto sesibhalo asibikho ngokuzicombululela.

21Kuba akukhanga kubekho siprofeto ngokuthanda komntu; báthi abantu abangcwele bakaThixo bathetha beqhutywa nguMoya oyiNgcwele.

KaPetros II 2

Abaprofeti ababuxoki nobomi benkohlakalo

1Ke kaloku, kwakukho nabaprofeti ababuxoki phakathi kwabantu; njengokuba naphakathi kwenu kuya kubakho abafundisi ababuxoki, bona baya kungenisa bucala amahlelo entshabalalo, bemkhanyela uMnini-nto-zonke owabathengayo, bezizisela intshabalalo emsinya.

2Baninzi abaya kulandela intshabalalo yabo; eya kunyeliswa ngenxa yabo indlela yenyaniso.

3Bathi benokubawa, banibonelele ngamazwi alalanisayo; abakugwetywa kungaphumliyo kwakudala, nayo intshabalalo yabo ayozeli.

4Kuba, xa uThixo angaziconganga izithunywa zezulu ezonayo, wesuka wathi, ezikhahlele enzonzobileni, wazinikela emixokelelwaneni yesithokothoko, zigcinelwe umgwebo;

5naxa angaliconganga ihlabathi lakudala, wesuka walondoloza uNowa, umvakalisi wobulungisa, enabasixhenxe, akuba elihlisele unogumbe ihlabathi labangahloneli Thixo;

6xa athe nemizi yaseSodom neGomora wayitshisa yaluthuthu, wayigweba ukuba ibhukuqeke, wayenza umzekelo wabaza kuba ngabangahloneli Thixo;

7wamhlangula uLote olilungisa, owacatshukiswa kukuhamba eburheletyweni kwabangenammiselo;

© 1975 Bible Society of South Africa.

8kuba laye, ngokubona nangokuva, ilungisa elo lihleli phakathi kwabo imihla ngemihla, liwuthuthumbisa umphefumlo walo olungisayo, ngemisebenzi yabo echasene nomthetho:

9iyakwazi iNkosi ukubahlangula ekuhendweni abahlonela uThixo; ke abangemalungisa ibagcinele imini yomgwebo, ukuba babethwe;

10ngokukodwa ke abo balandela inyama ngokukhanuka ukuzidyobha, abadela ubukhosi. Ngabasileyo, abenza ngokuzithandela, abangoyikiyo ukunyelisa izikhakhamela.

11Ukanti izithunywa zezulu, zingaphezulu nje ngokomelela namandla, azizigwebi ngamgwebo unyelisayo phambi kweNkosi.

12Ke aba, njengezinto eziphilileyo, ezingenangqondo, ezizezemvelo, ezizalelwe ukubanjwa nokonakala, benyelisa izinto abangazaziyo, baya konakala kanye ekonakaleni kwabo, bazuzane nomvuzo wokungalungisi;

13njengababá bubuyolo ukudla ubuncwane okwemini enye; bengamabala neziphako, bexhamla ubuncwane ngokulukuhla kwabo, bezingxala ukudla ezidlweni nani;

14benamehlo azele lukrexezo, angenakuphunyuzwa esonweni, bebambisa imiphefumlo engenakuzimaseka, benentliziyo eqheliswe ukubawa; abantwana bengqalekiso.

15Beyishiyile indlela ethe tye, balahleka, belandela indlela kaBhileham okaBhehore, owathanda umvuzo wokungalungisi;

16wóhlwaywa ke ngokugqitha kwakhe umthetho; lathi iesile, lingenakuthetha nje, lathetha ngezwi lomntu, lamalela umprofeti lowo, ukuba angabi nxamnye nengqondo.

17Aba bayimithombo engenamanzi, amafu aqhutywa luqhwithela, besigcinelwe bona isithokothoko sobumnyama ngonaphakade.

18Kuba, bevakalisa nje iindumbisa zamazwi angento yanto, babambisa ngeenkanuko zenyama, ngoburheletyo, abo babesindile, kanye kwabo bahambayo ekulahlekisweni.

19Bebathembisa nje inkululeko, bona ngokwabo bangabakhonzi bokonakala; kuba lowo athi ubani eyiswe nguye, ukhonzisiwe nokukhonziswa kuye.

20Kuba xa bathi, besindile nje kuzo izidyobho zehlabathi ngokuyazi iNkosi, uMsindisi uYesu Kristu, babuye ke bazibhijele ngazo, boyiswe zizo, zisuke iziphelo zabo zaba mandundu kuneziqalo zabo.

21Kuba ngekubalungele kanye, ukuba bebengayazanga indlela yobulungisa, kunokuba bathi beyazile, babuye umva, baphume kuwo umthetho ongcwele abawuwiselwáyo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Bahlélwe ke ngokomlinganiselo oyinene, othi, Inja ibuyéle emhlanzweni wayo, nehagukazi eyahlanjwayo iye ekuzityikatyikeni eludakeni.

KaPetros II 3

Imini yokuza kukaKristu

1Ngoku ndinibhalela, zintanda, le ncwadi iyeyesibini, endithi kuzo zombini ndiyivuselele ingqondo yenu engcwengekileyo ngokunikhumbuza;

2ukuba níwakhumbule amazwi abethethiwe ngenxa engaphambili ngabaprofeti abangcwele, nawo umthetho wabapostile bethu beNkosi uMsindisi;

3nikwazi nje oku kuqala, ukuba kuya kuza ngemihla yokugqibela abagxeki, behamba ngokwezabo iinkanuko, besithi,

4Liphi na kaloku idinga lokufika kwakhe? Kuba kuseloko oobawo balalayo ukufa, izinto zonke zahlala zihleli zinjengokwasekuqalekeni kwendalo.

5Kuba oku kufihlakele kubo ngokuthanda kwabo, ukuba izulu laye likho kwakudala, nomhlaba uvele emanzini, umi ngamanzi, ngalo ilizwi likaThixo;

6elathi ngezo zinto ihlabathi langoko lantywiliselwa ngamanzi, latshabalala.

7Ke lona izulu langoku, nawo umhlaba lo, kwangelo lizwi ezo zinto ziqwetyelwe, zigcinelwe, umlilo, kuse kwimini yomgwebo nentshabalalo yabantu abangahloneli Thixo.

8Le nto ke inye mayingafihlakali kuni, zintanda, ukuba phambi kweNkosi imini enye injengeminyaka eliwaka, neminyaka eliwaka injengemini enye.

9INkosi ayilibali dinga, njengoko abathile baba iyalibala; isuka izeke kade umsindo kuthi, ingangi kungatshabalala nabani; inga bonke bangasinga enguqukweni.

10Iya kufika ke imini yeNkosi njengesela ebusuku, eliya kuthi ngayo izulu lidlule liqhuqhumba, zithi ke iziqalelo zitshe, zichithakale, nomhlaba nayo imisebenzi ekuwo itshiswe kuthi tu.

Imfuneko yokuyilindela imini yenkosi

11Ezo zinto zonke ngoku zíchithakala nje, nimele ukuba ngabanjani na ngeehambo ezingcwele nokuhlonela uThixo;

12nikulindela, nikukhawulezela, ukufika kwayo imini kaThixo, eliya kuthi ngenxa yayo izulu lifakwe isikhuni, lichithakale, zithi neziqalelo zitshe zinyibilike?

13Thina ke ngokwedinga lakhe silinde elitsha izulu, nomtsha umhlaba, apho kumi ubulungisa.

14Kungoko, zintanda, nílindele ezo zinto nje, khuthalelani ukuba nifunyanwe kuye niseluxolweni, ningenabala, ningenasiphako.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Ukuzeka kade umsindo kweNkosi yethu kubaleleni ekuthini lusindiso, njengoko
wanibhalelayo nomzalwana wethu oyintanda, uPawulos, ngokobulumko
awabunikwayo;

16njengokuba, nasezincwadini zakhe zonke, ethetha kuzo ngezo ndawo; ekukhoyo
kuzo zithile ziqiqeka nzima, abathi abangàfundileyo, nabangazimasekileyo,
bazigqwethele kokwabo ukutshabalala, njengokuba bezenjenjalo nezinye izibhalo.

17Nina ngoko, zintanda, nizazi nje ngenxa engaphambili ezo zinto, zigcineni okwenu,
ukuze ningàthi, níkhukuliswé lulahlekiso lwabangenammiselo, niphalale
kokukokwenu ukuqina.

18Khulani ke elubabalweni nasekuyazini iNkosi yethu, uMsindisi uYesu Kristu. Kuye
malubekho uzuko nangoku, kuse nakwimini engunaphakade. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KaYohane I

KaYohane I 1

Ubomi obungunaphakade bubonakaliswa ngoYesu

1Oko kwakukho kwasekuqalekeni, oko sikuvileyo, oko sikubonileyo ngawethu amehlo, oko sakukhangelayo, zakuphatha izandla zethu,

2okwelizwi labo ubomi (obu bomi ke babonakaliswa; sibubonile, siyabungqinela, siyabuxela kuni, ubomi obo bungunaphakade, bona obo bebukuye uYise, baza babonakaliswa kuthi):

3oko ke sikubonileyo, sikuvileyo, siyakuxela kuni, ukuze nani nibe nobudlelane nathi. Baye ke ubudlelane bethu bunaye uYise, bunaye uNyana wakhe uYesu Kristu.

4Ezo zinto sinibhalela ukuze uvuyo lwenu luzaliseke.

Onobudlelane noThixo uhamba ekukhanyeni

5Lulo olu ke udaba esiluvileyo kuye, esinityela lona, lokuba uThixo ukukukhanya, akukho bumnyama kuye nakanye.

6Ukuba sithi sinobudlelane naye, sibe sihamba ebumnyameni, soba siyaxoka, asiyenzi inyaniso;

7ke, ukuba sihamba ekukhanyeni, njengokuba yena esekukhanyeni, soba sinobudlelane omnye nomnye, lithi negazi likaYesu Kristu, uNyana wakhe, lisihlambulule kuso sonke isono.

8Ukuba sithi asinasono, siyazikhohlisa, inyaniso ayikho kuthi.

9Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile, ulilungisa, ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi.

10Ukuba sithi asonanga, simenza ixoki; ilizwi lakhe alikho kuthi.

KaYohane I 2

1Bantwanana bam, ndinibhalela ezi zinto, ukuze ningoni. Ukuba kukho othe wona, sinoMthetheleli kuye uYise, uYesu Kristu ilungisa.

2Yena usisicamagushelo sezono zethu; engesazethu zodwa, usiso nesehlabathi liphela.

Ukugcina umthetho nokuthanda abazalwana

3Sazi ngale nto ukuba siyamazi, ngokuthi siyigcine imithetho yakhe.

4Lowo uthi, Ndimazile, abe engayigcini imithetho yakhe, ulixoki, kulowo ayikho inyaniso.

© 1975 Bible Society of South Africa.

5Ke othi aligcine ilizwi lakhe, okwenyaniso uthando lukaThixo lugqibelele kulowo;
sazi ngaloo nto ukuba sikuye.

6Lowo uthi uhleli kuye, ufanele ukuthi, njengoko wahambayo yena, enjenjalo
ukuhamba naye.

7Bazalwana, andinibhaleli mthetho mtsha; ngumthetho omdala, ebeninawo
kwasekuqalekeni. Umthetho omdala ke lilizwi enalivayo kwasekuqalekeni.

8Ndibuya ndinibhalele umthetho omtsha, okuyinene oko kuye nakuni; ngokuba
ubumnyama buyadlula, kwaye ukukhanya okuyinyaniso sekubonakala.

9Lowo uthi usekukhanyeni, abe emthiyile umzalwana wakhe, usebumnyameni
unangoku.

10Lowo umthandayo umzalwana wakhe uhleli ekukhanyeni, akanasikhubekiso.

11Ke lowo umthiyileyo umzalwana wakhe usebumnyameni, uhamba ebumnyameni.
Akazi apho aya khona, ngokuba ubumnyama buwamfamekisile amehlo akhe.

12Ndiyanibhalela, bantwanana, ngokuba nizixolelwe izono zenu ngenxa yegama
lakhe.

13Ndiyanibhalela, boyise, ngokuba nimazile owasekuqalekeni. Ndiyanibhalela,
madodana, ngokuba nimeyisile ongendawo. Ndiyanibhalela, bantwana, ngokuba
nimazile uYise.

14Ndanibhalela, boyise, ngokuba nimazile owasekuqalekeni. Ndanibhalela,
madodana, ngokuba nomelele, laye ilizwi likaThixo lihleli kuni, nimoyisile ke
ongendawo.

15Musani ukulithanda ihlabathi, kwanezinto ezisehlabathini. Ukuba kukho othi
alithande ihlabathi, uthando lukaYise alukho kuye.

16Ngokuba konke okusehlabathini, inkanuko yenyama, nenkanuko yamehlo,
noqhankqalazo lobu bomi, asikokuphuma kuye uYise, kokuphuma ehlabathini.

17Ihlabathi ke liyadlula, nenkanuko yalo; ke yena owenza ukuthanda kukaThixo uhleli
ngonaphakade.

Iziyalo ngabachasi-Kristu

18Bantwana, lilixa lokugqibela eli; njengoko nevayo ukuba umchasi-Kristu uyeza,
nangoku kuthe kwabakho abachasi-Kristu abaninzi, ekuthe ngoko sazi ukuba lilixa
lokugqibela.

19Báphuma kuthi, babengengabo abethu; kuba, ukuba babengabethu, ngebahlalayo
nathi. Báphuma ukuze babonakale, ukuba bonke babengengabo abethu.

20Nina ninentambiso evela koyiNgcwele, niyazazi ke izinto zonke.

© 1975 Bible Society of South Africa.

21Andinibhalelanga ngakuba ningàyazi inyaniso; ndinibhalele ngokuba niyazi, nangokuba kungekho buxoki buphuma enyanisweni.

22Ngubani na ixoki, ingenguye okhanyelayo ukuba uYesu unguye uKristu? Lowo ungumchasi-Kristu, omkhanyelayo uYise noNyana.

23Bonke abamkhanyelayo uNyana, àbanaye noYise.

24Nina ngoko, oko nakuvayo kwasekuqalekeni makuhlale kuni. Ukuba kuthi kuhlale kuni oko nakuvayo kwasekuqalekeni, nani niya kuhlala kuye uNyana, nakuye uYise.

25Lilo eli idinga, awalibekayo ngokwakhe kuthi, ubomi obungunaphakade.

26Ezo zinto ndinibhalele ngabo banilahlekisayo.

27Nina intambiso enayamkelayo kuye ihleli kuni, aniswele kwakuba nifundiswe ngubani; kunjengokuba kwaloo ntambiso inifundisa ngeento zonke, iyinene, ingebuxoki; njengokuba ke yanifundisayo, hlalani kuye.

28Ngoku ke, bantwanana, hlalani kuye, ukuze xa athe wabonakalaliswa, sibe nokungafihlisi, singadani, simbaleke ekufikeni kwakhe.

29Ukuba niyazi ukuba ulilungisa, yazini ukuba bonke abenza ubulungisa bazelwe nguye.

KaYohane I 3

Uthando lukaYise lukhokelela ebomini obulungileyo

1Bonani uthando olungaka asenzele lona uYise, olu lokuba sibizwe ngokuba singabantwana bakaThixo. Ngenxa yoko ihlabathi alisazi thina, ngokuba lingamazanga yena.

2Zintanda, ngoku singabantwana bakaThixo. Akukabonakali ke into esiya kuba yiyo; ke siyazi ukuba, xa athe wabonakala, sofana naye; ngokuba siya kumbona njengoko anjalo.

3Bonke ábanalo eli themba kuye, bazenza nyulu, njengokuba yena enyulu.

Ukungavumeleki kwesono kubantwana bakaThixo

4Bonke abasenzayo isono benza okuchasene nomthetho; sona isono sikukuchasana nomthetho.

5Niyazi ke ukuba yena wabonakaliswa, ukuze azithwale azisuse izono zethu; kananjalo akukho sono kuye.

6Bonke abahlala kuye àboni; bonke abonáyo abambonanga, abamazanga nokumazi.

7Bantwanana, makungabikho namnye unikhohlisayo; lowo ubenzayo ubulungisa lilungisa, njengokuba yena elilungisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Lowo usenzayo isono ungokaMtyholi; ngokuba uMtyholi woné kwasekuqalekeni. Wabonakaliselwa oku uNyana kaThixo, ukuze ayichithe imisebenzi kaMtyholi.

9Bonke abazelwe nguThixo abenzi sono, ngokuba imbewu yakhe ihleli kubo; kananjalo abanakona, ngokuba bezelwe nguThixo.

10Babonakala ngaloo nto abantwana bakaThixo, nabantwana bakaMtyholi. Bonke abangenzi bulungisa àbangabakaThixo, nalowo ungamthandiyo umzalwana wakhe.

11Ngokuba le yintshumayelo enayivayo kwasekuqalekeni, ukuba sithandane;

12singabi njengoKayin, obengowongendawo, wambulala umninawa wakhe. Wambulalelani na? Ngokuba imisebenzi yakhe ibingendawo, ke yona eyomninawa wakhe ibinobulungisa.

Uthando lwabazalwana

13Musani ukumangaliswa, bazalwana bam, ukuba ihlabathi linithiyile.

14Thina siyazi ukuba sidlule ekufeni, sangena ebomini, ngokuba sibathanda abazalwana. Lowo ungamthandiyo umzalwana uhleli ekufeni.

15Lowo umthiyileyo umzalwana wakhe usisibulala-mntu; niyazi ukuba akukho sibulala-mntu sinobomi bungunaphakade buhleliyo kuso.

16Ngale nto silwazile uthando, kuba yena wasincamela ubomi bakhe; nathi ke sifanele ukubancamela abazalwana ubomi bethu.

17Osukuba ke enayo impilo yeli hlabathi, aze ambone umzalwana wakhe eswele, azivalele iimfesane zakhe kuye, luthini na ukuhlala uthando lukaThixo ngaphakathi kwakhe?

18Bantwanana bam, masingathandi ngazwi nangamlomo; masithande ngezenzo nangenyaniso.

19Siyazi ngale nto ke ukuba singabenyaniso; siya kuzileleza iintliziyo zethu phambi kwakhe.

20Ngokuba ukuba intliziyo yethu iyasigweba, uThixo mkhulu kunentliziyo yethu, ezazi izinto zonke.

21Zintanda, ukuba intliziyo yethu ayisigwebi, sinokungafihlisi kuye uThixo;

22nesithi sikucele siyakwamkela kuye, ngokuba imithetho yakhe siyigcina, sizenze izinto ezikholekileyo emehlweni akhe.

23Nguwo lo umthetho wakhe, ukuba sikholwe ligama lonyana wakhe, uYesu Kristu, sithandane njengoko wasiwiselayo umthetho.

24Lowo uyigcinayo imithetho yakhe uhleli kuye, naye uhleli kulowo. Sazi ngale nto ke, ukuba uhleli kuthi ngoMoya lo wasinikayo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KaYohane I 4

Ukucikidwa koomoya

1Zintanda, musani ukukholwa ngoomoya bonke, bacikideni oomoya ukuba
ngabakaThixo na; ngokuba baninzi abaprofeti ababuxoki, abaphumé bangena
ehlabathini.

2Mazini ngale nto uMoya kaThixo: umoya wonke omvumayo uYesu Kristu ezé
esenyameni, ungokaThixo;

3nomoya wonke ongamvumiyo uYesu Kristu ezé esenyameni, asingokaThixo; lo
ngokamchasi-Kristu, lowo niwuvileyo ukuba uyeza; nangoku uselukho ehlabathini.

4Nina ningabakaThixo, bantwanana, nibeyisile bona; ngokuba lowo ukuni nguyena
mkhulu kunalowo usehlabathini.

5Bona ngabehlabathi; ngenxa yoko bathetha okwehlabathi, ihlabathi liyabeva ke.

6Thina singabakaThixo, lowo umaziyo uThixo uyasiva thina; ongengokaThixo akasiva.
Siwazi ngaloo nto umoya wayo inyaniso, nomoya walo ulahlekiso.

Uthando lukaThixo nothando lomntu

7Zintanda, masithandane; ngokuba uthando lwaphuma kuThixo. Bonke abanothando
bazelwe nguThixo, bayamazi uThixo.

8Lowo ungenaluthando akazanga amazi uThixo, ngokuba uThixo uluthando.

9Kwabonakaliswa ngale nto ukusithanda kukaThixo, ngokuthi uThixo amthume
ehlabathini uNyana wakhe, ekuphela kwamzeleyo, ukuze sidle ubomi naye.

10Uthando lulapha, ingekukuba samthandayo uThixo thina, ikukuba wasithandayo
yena, wamthuma uNyana wakhe ukuba abe sisicamagushelo sezono zethu.

11Zintanda, ukuba wenjenjalo uThixo ukusithanda, nathi sifanele ukuthandana.

12Akukho namnye owakha wambona uThixo; ukuba sithi sithandane, uThixo uhleli
kuthi, nothando lwakhe lugqibelele ngaphakathi kwethu.

13Sazi ngale nto ukuba sihleli kuye, naye uhleli kuthi; ngokuba usinike okoMoya
wakhe.

14Sibonile thina, siyangqina, ukuba uYise umthumile uNyana ukuba nguMsindisi
wehlabathi.

15Othe wavuma ukuba uYesu unguye uNyana kaThixo, uThixo uhleli kuye, naye uhleli
kuye uThixo.

16Sikwazile thina, sakholwa kukusithanda kukaThixo. UThixo uluthando; lowo uhleli
eluthandweni uhleli kuye uThixo, noThixo uhleli kuye.

© 1975 Bible Society of South Africa.

17Lugqibelele ngale nto uthando olukuthi, ukuze sibe nokungafihlisi ngomhla
womgwebo; ngokuba, njengoko anjalo yena, sinjalo nathi kweli hlabathi.

18Akukho loyiko eluthandweni; lusuka uthando olugqibeleleyo luluphose phandle
uloyiko; ngokuba uloyiko lunexhala; lowo ke woyikayo akagqibelele eluthandweni.

19Thina siyamthanda, ngokuba yena wasithanda kuqala.

20Ukuba umntu uthe, Ndiyamthanda uThixo, wamthiya umzalwana wakhe, ulixoki;
kuba lowo ungamthandiyo umzalwana wakhe ambonileyo, angáthini na ukumthanda
uThixo angambonanga?

21Nguwo lo umthetho esinawo uvela kuye: ukuba athi lowo umthandayo uThixo,
amthande nomzalwana wakhe.

KaYohane I 5

Ukholo lobuKristu

1Bonke abakholwayo ukuba uYesu unguye uKristu, bazelwe nguThixo; bonke
abamthandayo lowo wazalayo, bayamthanda nalowo uzelweyo nguye.

2Sazi ngale nto ukuba siyabathanda abantwana bakaThixo, xa sukuba simthanda
uThixo, siyigcina imithetho yakhe.

3Kuba ukumthanda uThixo kuko ukuthi, siyigcine imithetho yakhe; ayinzima ke
imithetho yakhe.

4Ngokuba konke okuzelweyo nguThixo kuyaleyisa ihlabathi; lulo ke olu uloyiso
oluleyisayo ihlabathi, ukholo lwethu.

5Ngubani na lowo uleyisayo ihlabathi, ingenguye okholwayo ukuba uYesu unguye
uNyana kaThixo?

6Lowo nguló wezayo ngamanzi negazi, uYesu Kristu; engenawo amanzi odwa, enawo
amanzi, enalo igazi. UMoya ke unguló ungqinayo, ngokuba uMoya uyiyo inyaniso.

7Ngokuba bathathu abo bangqinayo [emazulwini: uYise, noLizwi, noMoya
oyiNgcwele; abo bathathu banye.

8Bathathu abo bangqinayo emhlabeni]: uMoya, namanzi, negazi; aba bathathu
basingise ntweni-nye.

9Ukuba ubungqina babantu siyabamkela, ubungqina bukaThixo bungaphezulu;
ngokuba bubo obu ubungqina bukaThixo, angqinele uNyana wakhe ngabo.

10Lowo ukholwayo kuye uNyana kaThixo unabo ubungqina ngaphakathi kwakhe;
lowo ungakholwayo nguye uThixo umenze ixoki, ngokuba engakholwanga bubo
ubungqina abungqinele uNyana wakhe uThixo.

11Bubo obu ke ubungqina: ukuba uThixo usinike ubomi obungunaphakade; baye obo
bomi bukuye uNyana wakhe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

12Lowo unaye uNyana, unabo ubomi; lowo ungenaye uNyana kaThixo, akanabo ubomi.

Isiphelo

13Ndinibhalele ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunaphakade, nokuze nikholwe kwigama loNyana kaThixo.

14Kuko oku ukungafihlisi esinako kuye: ukuba sithi sicele into ngokokuthanda kwakhe, uyasiva.

15Ukuba siyazi okokuba uyasiva esisukuba sikucela, siyazi ukuba sinazo izinto ezicelwayo, esizicelileyo kuye.

16Ukuba umntu uthe wambona umzalwana wakhe esona isono esingasingisi kufeni, wocela, uThixo amnike ubomi, enika abo bonayo ngokungasingisi kufeni. Kukho sona sisingisa ekufeni; anditsho ukuthi makacelele sona.

17Konke ukungalungisi sisono; kukho sono singasingisi khona ekufeni.

18Siyazi ukuba bonke abazelwe nguThixo àboni; usuke athi lowo wazalwayo nguThixo azigcine, aze ongendawo angamchukumisi.

19Siyazi ukuba singabakaThixo, nokuba ihlabathi liphela lilele kongendawo.

20Ke siyazi ukuba uNyana kaThixo ufikile, wasinika ingqondo, ukuze simazi oyinyaniso. Sikuye ke oyinyaniso, kuye uNyana wakhe uYesu Kristu. Nguye lo uThixo oyinyaniso, nobomi obungunaphakade.

21Bantwanana, zigcineni kuzo izithixo. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KaYohane II

KaYohane II 1

1Indoda enkulu ibhalela inkosikazi enyuliweyo nabantwana bayo, endibathandayo
mna ngenyaniso; ingendim ndedwa, ingabo bonke abayazileyo inyaniso;

2ngenxa yenyaniso ehleliyo kuthi, eya kuba nathi ngonaphakade:

3ithi, Makubekho kuni ubabalo, nenceba, noxolo oluvela kuThixo uYise, nakwiNkosi
yethu uYesu Kristu, uNyana kaYise, kuni basenyanisweni naseluthandweni.

4Ndavuya kunene kuba ndifumene kubantwana bakho kukho abahamba
enyanisweni, njengoko samkeláyo umthetho kuye uYise.

5Nangoku ndiyakucela, nkosikazi, kungengakuba ndikubhalela umthetho omtsha;
ndikubhalela lowo sasinawo kwasekuqalekeni: ukuba sithandane.

6Lulo ke olu uthando, ukuba sihambe ngokwemithetho yakhe. Nguwo lo umthetho,
njengokuba nevayo kwasekuqalekeni, ukuba nihambe kuwo.

7Ngokuba kungene abalahlekisi abaninzi ehlabathini, abangamvumiyo uYesu Kristu
esiza esenyameni. Lowo ngumkhohlisi nomchasi-Kristu.

8Zilumkeleni, ukuba singalahlekani nezinto esizisebenzileyo; masamkele umvuzo
ozalisekileyo.

9Bonke abagqithayo, abangahlaliyo emfundisweni kaKristu, àbanaThixo; ohleliyo
emfundisweni kaKristu, lowo unaye uYise noNyana.

10Ukuba umntu uza kuni, engazisi yona le mfundiso, musani ukumamkela endlwini
yenu, ningambulisi nokumbulisa;

11kuba lowo umbulisayo unobudlelane naye ngemisebenzi yakhe engendawo.

12Ndinezinto ezininzi nje zokunibhalela, andingi ndingazibhala ngaphepha nangainki;
ndithembe ukuza kuni, sithethe ngomlomo, ukuze uvuyo lwethu luzaliseke.

13Bayakubulisa abantwana bodade wenu onyuliweyo. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

KaYohane III

KaYohane III 1

1Indoda enkulu ibhalela uGayo oyintanda, endimthandayo mna ngenyaniso: ithi,

2Ntanda, ndinga ungáthi ngezinto zonke usikeleleke uphile, njengokuba usikelelekile umphefumlo wakho.

3Kuba ndavuya kunene, bakufika abazalwana, bangqina ngenyaniso ekuwe, njengokuba wena uhamba enyanisweni.

4Andinaluvuyo lungaphezu kolu, lokuba ndive ukuba abantwana bam bahamba enyanisweni.

5Ntanda, wenza okuthembekileyo, oko sukuba ukwenzela abazalwana nabasemzini,

6abalungqineleyo uthando lwakho phambi kwebandla; owothi ukuba ubaxhobisele indlela ngokufanele uThixo, ube uyatyapha;

7kuba báphuma ngenxa yegama lakhe, bengathabathanga nto kuzo iintlanga.

8Thina ngoko sifanele ukubaxhasa abanjalo, ukuze sibe ngabasebenzisana nabo kuyo inyaniso.

9Ndalibhalela ibandla; ke usuke lowo uthanda ukuzenza mkhulu kubo, uDiyotrefe, angasamkeli.

10Ngenxa yoko, ukuba ndithe ndafika, ndomkhumbuza imisebenzi yakhe ayenzayo, ephololoza ngathi ngamazwi angendawo; enganeli koko, usuka angabamkeli abazalwana ngokwakhe, ábàlele abanga bangenjenjalo, ábakhuphe ebandleni.

11Ntanda, musa ukulandela okubi, landela okulungileyo. Lowo wenza okulungileyo ungokaThixo; ke lowo wenza okubi akambonanga uThixo.

12UDemetriyo ungqinelwe ngabo bonke, nayiyo inyaniso; nathi ke siyangqina; niyazi ukuba ubungqina bethu buyinene.

13Ndandinezinto ezininzi endingazibhalayo, kodwa andithandanga kuzibhala ngainki nangalusiba;

14ndiyathemba ke ukuba ndokubona kwakufuphi nje, sithethe ngomlomo.

15Uxolo malube kuwe. Ziyakubulisa izihlobo. Zibulise izihlobo ngegama. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

EkaYuda

EkaYuda 1

Umbuliso

1UYuda, umkhonzi kaYesu Kristu, umzalwana ke kaYakobi, ubhalelaabangcwalisiweyo
bekuThixo uYise, begcinelwe uYesu Kristu, bengababiziweyo:

2uthi, Makwandiswe kuni inceba noxolo nothando.

Isiyalo sokuchasa inkohlakalo nabafundisa ubuxoki

3Zintanda, ndikukhuthalele ngenyameko yonke nje ukunibhalela ngalo usindiso
esidlelana ngalo, kwafuneka ukuba ndinibhalele, ndinivuselele, ukuba niluzamele
ukholo abalunikelwáyo kwakanye abangcwele.

4Kuba kuthwethwe bantu bathile; abo babebalulelwe ngenxa engaphambili kolo
lugwebo, abangahloneli Thixo, belujikela eburheletyweni ubabalo lukaThixo wethu,
bemkhanyela okuphela koMnini-nto-zonke, uThixo wethu, iNkosi yethu uYesu Kristu.

5Ndinga ke ndinganikhumbuza, nangona nikwazi oku kakade, ukuba iNkosi, yakuba
ibasindisile abantu emhlabeni waseYiputa, yathi ngokwesibini yabatshabalalisa abo
bangakholwanga.

6Kananjalo izithunywa zezulu, ezo zazingalugcinanga ulawulo lwazo, zèsuka zalishiya
ikhaya lazo, izigcinele umgwebo womhla omkhulu ngemixokelelwane
engunaphakade, phantsi kwesithokothoko.

7Njengokuba iSodom neGomora, nayo imizi engakuyo, yenza kakhulu umbulo
ngohlobo olufana nolwazo ezo, imka ilandela nyama yimbi, ibekwe ekuhléni ukuba
ibe ngumqondiso, iviswa ubetho lomlilo ongunaphakade.

8Kwangokunjalo nabo aba baphuphayo badyobha inyama, batshitshise ubukhosi,
banyelise izikhakhamela.

9Kanti yena uMikayeli, isiphatha-zithunywa zezulu, oko wayebambene naye
uMtyholi, bebangisana ngawo umzimba kaMoses, akabanga nabuganga bakumzisela
mgwebo wakunyelisa; wesuka wathi, INkosi mayikukhalimele.

10Ke bona aba okunene izinto zonke abangazaziyo bayazinyelisa; kodwa izinto zonke
abazaziyo kakuhle ngemvelo, njengezinto eziphilileyo ezingenangqondo,
bayazonakalisa ngazo ezo.

11Yeha ke bona! Ngokuba bahamba ngendlela kaKayin; bakhukuliswa lulahlekiso
lukaBhileham ngenxa yomvuzo; batshabalala ephikeni likaKora.

12Aba zizixhobo zamatye aselwandle ezidlweni zenu zothando, bezingxala ukudla
nani, bezidlisa okwabo ngokungenakoyika. Bangamafu angenamanzi,

© 1975 Bible Society of South Africa.

aqhutywaqhutywa yimimoya; bayimithi evuthulukileyo, engenaziqhamo, efe kabini, enyothulwe iingcambu;

13bangamáza alwayo olwandle, elephuza awawo amahlazo; baziinkwenkwezi eziphalaphalayo, begcinelwe isithokothoko sobumnyama ngonaphakade.

14Waprofeta ke nangabo uEnoki, owesixhenxe ukususela kuAdam, esithi, Yabonani, yeza iNkosi namawakawaka abangcwele bayo,

15ukuba ibagwebe bonke, ibohlwaye bonke abangahloneli Thixo kubo, ngenxa yemisebenzi yabo yonke yokungahloneli Thixo, abayenzé bengahloneli Thixo, nangenxa yazo zonke izinto ezilukhuni, ababezithethile ngayo aboni abangahloneli Thixo.

16Aba ngabakrokri abasolayo, behamba ngokweenkanuko zabo, umlomo wabo uthetha iindumbisa zamazwi, bencoma ubuso bomntu ngenxa yenzuzo.

17Ke nina, zintanda, wakhumbuleni amazwi abethethwe ngenxa engaphambili ngabo abapostile beNkosi yethu uYesu Kristu.

18Ngokuba babesithi kuni, Kuya kubakho abagxeki ngexesha lokugqibela, behamba ngokwezabo iinkanuko zokungahloneli Thixo.

19Aba ngabazahlukanisayo, bengabemvelo, uMoya bengenaye.

20Ke nina, zintanda, zakheni elukholweni lwenu olungcwele kanye, nithandaza nikuMoya oyiNgcwele.

21Hlalani nihleli eluthandweni lukaThixo, niyilinde inceba yeNkosi yethu uYesu Kristu, kuse ebomini obungnuphakade.

22Inxenye okunene yenzeleni inceba, nicalula;

23kodwa inxenye yisindiseni nizoyikela, nibaphanga emlilweni, niyithiya nengubo edyojiweyo yinyama.

24Kulowo ke unako ukunilondoloza ningabi nakukhubeka, nokunimisa phambi kobuqaqawuli bakhe ningenabala, nigcoba:

25kuThixo olumkileyo yedwa, uMsindisi wethu, makubekho uzuko nobukhulu, amandla negunya, nangoku, kude kuse nasemaphakadeni onke. Amen.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IsiTyhilelo

IsiTyhilelo 1

Intshayelelo nombuliso

1Isityhilelo sikaYesu Kristu, awamnika sona uThixo, ukuba ababonise abakhonzi
bakhe izinto ezimele ukubakho kamsinya; waqondisa wathumela ngaso isithunywa
sakhe sasemazulwini kumkhonzi wakhe uYohane,

2owalingqinelayo ilizwi likaThixo nobungqina bukaYesu Kristu, kwaneento zonke
awazibonayo.

3Únoyolo lowo uwalesayo, kwanabo bawevayo amazwi aso isiprofeto esi, bazigcine
izinto ezibhaliweyo kuso; kuba ixesha likufuphi.

4UYohane ubhalela amabandla asixhenxe akwelaseAsiya; uthi, Makube lubabalo
kuni, noxolo oluvela kulowo ukhoyo, wayekho, uzayo; nakubo ooMoya abasixhenxe
abaphambi kwetrone yakhe;

5nakuYesu Kristu, oliNgqina elithembekileyo, Owamazibulo kubo abafileyo,
uMphathi wookumkani bomhlaba. Kulowo wasithandayo, wasikhulula ezonweni
zethu ngelilelakhe igazi,

6wasenza ookumkani nababingeleli kuye uThixo uYise: kuye makubekho uzuko
namandla, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen.

7Yabonani, uza namafu; aye eya kumbona amehlo onke, kwanabo bamhlabáyo; zaye
ziya kummbambazelela zonke izizwe zomhlaba. Ewe, amen.

8Mna ndinguAlfa no-Omega, isiqalo nesiphelo; itsho iNkosi, leyo ikhoyo, yayikho,
izayo, uSomandla.

Umbono woNyana woMntu

9Mna Yohane, endikwangumzalwana wenu, nedlelane nani ngayo imbandezelo,
nangabo ubukumkani, nangonyamezelo lukaYesu Kristu, ndaye ndisesiqithini
ekuthiwa yiPatmos, ngenxa yelizwi likaThixo, nangenxa yobungqina bukaYesu Kristu.

10Ndaye ndikuMoya ngemini eyeyeNkosi; ndeva emva kwam izwi elikhulu, ngathi
lelexilongo, lisithi,

11Mna ndinguAlfa no-Omega, owokuqala nowokugqibela. Okubonayo kubhale
encwadini, ukuthumele kuwo amabandla asixhenxe aseAsiya: e-Efese, eSmirna,
ePergamo, eTiyatira, eSardesi, eFiladelfi, eLawodike.

12Ndaza ndee guqugu, ukuba ndilibone ilizwi elo belithetha nam. Ndithe guqugu ke,
ndabona iziphatho zezibane zegolide zisixhenxe;

13naphakathi kweziphatho zosixhenxe ezo, ofana noNyana woMntu, ambethe ingubo
efike ezinyaweni, ebhinqe emabeleni umbhinqo wegolide.

© 1975 Bible Society of South Africa.

14Intloko yakhe ke neenwele zimhlophe, njengoboya bezimvu obumhlophe njengekhephu; amehlo akhe enjengelangatye lomlilo;

15iinyawo zakhe zifana nobhedu olubengezelayo, zingathi zivuthiswe eziko; izwi lakhe ngáthi sisandi samanzi amaninzi.

16Waye eneenkwenkwezi ezisixhenxe esandleni sakhe sokunene; emlonyeni wakhe kuphuma ikrele elibukhali, elintlangothi mbini; ubuso bakhe bunjengelanga, likhanya ngamandla alo.

17Ndithe ndakumbona, ndasuka ndawa ezinyaweni zakhe, ndaba njengofileyo. Waza wabeka isandla sakhe sokunene phezu kwam, esithi kum, Musa ukoyika; mna ndingowokuqala nowokugqibela, ndinguye odla ubomi;

18ndaye ndifile; yabona, ndingobudlayo ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni. Amen. Ndinazo nezitshixo zelabafileyo nezokufa.

19Zibhale izinto ozibonileyo, nezikhoyo, kwaneziya kubakho emva kwezo.

20Imfihlakalo yeenkwenkwezi ezisixhenxe ozibonileyo esandleni sam sokunene, neziphatho zezibane zosixhenxe zegolide, yile: Iinkwenkwezi ezo zisixhenxe zizithunywa zawo amabandla asixhenxe; neziphatho ezo zisixhenxe uzibonileyo ngamabandla osixhenxe.

IsiTyhilelo 2

Incwadi kwibandla lase-Efese

1Isithunywa sebandla elise-Efese, sibhalele uthi: Utsho lowo uzibambileyo iinkwenkwezi ezisixhenxe ngesokunene sakhe, lowo uhambayo phakathi kweziphatho zezibane zosixhenxe zegolide, ukuthi:

2Ndiyayazi imisebenzi yakho, nokubulaleka kwakho, nomonde wakho, nokuba ungenako ukubathwala abanobubi; nokuba wabalinga abathi bangabapostile, bengengabo, wabafumana bengamaxoki.

3Ùthwele, unomonde; uthe ngenxa yegama lam wabulaleka, akwadinwa.

4Noko ke ndinale nto ngakuwe, yokuba uthando lwakho lokuqala walushiyayo.

5Khumbula ngoko apho uwé usuka khona, uguquke, wenze imisebenzi yokuqala; okanye ndoza kuwe kamsinya, ndisishenxise isiphatho sesibane sakho endaweni yaso, ukuba akuthanga uguquke.

6Kodwa ùnale ndawo, yokuba uyithiyile imisebenzi yamaNikolawo, endiyithiyileyo nam.

7Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla. Lowo weyisayo ndiya kumnika ukuthi adle kumthi wobomi, ophakathi kweParadisi kaThixo.

Incwadi kwibandla laseSmirna

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Isithunywa sebandla eliseSmirna, sibhalele uthi: Utsho lowo ungowokuqala, ungowokugqibela, owayefile, waza wabuyawadla ubomi, ukuthi:

9Ndiyayazi imisebenzi yakho, nembandezelo, nobuhlwempu (noko usisityebi), nonyeliso lwabo bathi bangamaYuda bona, bengengawo, besisikhungu sikaSathana.

10Musa ukoyika nabunye ubunzima oza kubuva. Yabona, uMtyholi uza kuyiphosa inxenye yenu entolongweni, ukuze nilingwe: niya kuba nembandezelo imihla elishumi; thembeka kude kube sekufeni, ndokunika isithsaba sobomi.

11Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla. Lowo weyisayo akayi kukha oniwe kukufa kwesibini.

Incwadi kwibandla lasePergamo

12Isithunywa sebandla elisePergamo, sibhalele uthi: Utsho lowo unalo ikrele elintlangothi mbini, elibukhali, ukuthi:

13Ndiyayazi imisebenzi yakho, nalapho uhleli khona, apho ikhona itrone kaSathana; nokuba ulibambé waliqinisa igama lam, akwakukhanyela ukukholwa kum, nasemihleni uAntipasi, owabulawelwa kuni, apho ahleli khona uSathana, wayelingqina lam elithembekileyo.

14Noko ke ndineendawana ngakuwe: ezi zokuba unabo apho abayibambe bayiqinisa imfundiso kaBhileham, owamfundisayo uBhalaki ukuphosa isikhubekiso phambi koonyana bakaSirayeli, ukuba badle izinto ezibingelelwe izithixo, benze nombulo.

15Ngokunjalo nawe unabayibambe bayiqinisa imfundiso yamaNikolawo, into leyo endiyithiyileyo.

16Guquka, okanye ndoza kuwe kamsinya, ndenze imfazwe nabo ngalo ikrele lomlomo wam.

17Lowo unendlebe makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla. Lowo weyisayo ndiya kumnika ukuba adle kuyo imana efihlakeleyo, ndimnike ilitye elimhlophe; elityeni apho ke igama elitsha libhaliwe, lingàziwa bani ingenguye olamkelayo.

Incwadi kwibandla laseTiyatira

18Isithunywa sebandla eliseTiyatira, sibhalele uthi: Utsho uNyana kaThixo, omehlo akhe anjengelangatye lomlilo, onyawo zakhe zifana nobhedu olubengezelayo, ukuthi:

19Ndiyayazi imisebenzi yakho, nothando, nolungiselelo, nokholo, nomonde wakho, nokuba imisebenzi yakho yokugqibela imininzi kuneyokuqala.

20Noko ke ndineendawana ngakuwe: ezi zokuba umvumela umfazi lowo uIzebhele, othi yena ungumprofetikazi, ukuba abafundise abalahlekise abakhonzi bam, ukuba benze umbulo, badle izinto ezibingelelwe izithixo.

21Ndamnika ixesha lokuba aguquke kuwo umbulo wakhe, akaguquka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Yabona, mna ndiya kumphosa elukhukweni, nabo bakrexeza kunye naye, embandezelweni enkulu, ukuba abathanga baguquke emisebenzini yabo;

23nabantwana bakhe ndibabulale ngokufa; azi onke amabandla ukuba mna ndingulowo uphengulula izintso neentliziyo, ndininike elowo ngokwemisebenzi yenu.

24Ndithi ke kuni, nakwabanye abaseTiyatira, abo bonke bangenáyo loo mfundiso, nabo abo bangazazanga iinzulu zikaSathana (njengoko batshoyo): andiyi kuphosa phezu kwenu mthwalo wumbi.

25Noko ke oko ninako kubambeni nikuqinise, ndide ndifike.

26Lowo weyisayo, lowo uyigcinayo imisebenzi yam, ade ase ekupheleni, ndomnika igunya phezu kwazo iintlanga.

27Uya kuzalúsa ngentonga yentsimbi, njengokuba izitya zomdongwe zityunyuzwa, njengokuba nam ndamkele kuye uBawo;

28ndiya kumnika ikhwezi lokusa.

29Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.

IsiTyhilelo 3

Incwadi kwibandla laseSardesi

1Isithunywa sebandla eliseSardesi, sibhalele uthi: Utsho lowo unabo ooMoya abasixhenxe bakaThixo, nazo iinkwenkwezi ezisixhenxe, ukuthi: Ndiyayazi imisebenzi yakho, ukuba unalo igama lokuba uphilile, ukanti ufile.

2Phapha, uzizimase izinto eziseleyo eziza kufa; kuba andiyifumananga izalisekile imisebenzi yakho phambi koThixo.

3Khumbula ngoko ukuba utheni na ukwamkela kwakho, nokuva ugcíne, uguquke. Ukuba ngoko akuthanga ulinde, ndokufikela njengesela; akusayi kulazi ilixa endokufikela ngalo.

4Unamagama ambalwa naseSardesi apho, angazidyobhanga wona iingubo zawo; baya kuhamba nam benezimhlophe; ngokuba befanelekile.

5Lowo weyisayo uya kuthiwa wambu ngeengubo ezimhlophe. Andisayi kulicima igama lakhe encwadini yobomi; ndiya kulivuma igama lakhe emehlweni kaBawo, naphambi kwezithunywa zakhe zasemazulwini.

6Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.

Incwadi kwibandla laseFiladelfi

7Isithunywa sebandla eliseFiladelfi, sibhalele uthi: Utsho oyiNgcwele, oyiNyaniso, lowo unaso isitshixo sikaDavide; lowo uvulayo kungavali namnye, avale kungavuli namnye, ukuthi:

© 1975 Bible Society of South Africa.

8Ndiyayazi imisebenzi yakho. Yabona, ndimise phambi kwakho ucango oluvulekileyo,
akukho namnye unako ukuluvala; kuba ùthe, únamandla amancinane, waligcina
ilizwi lam, akwalikhanyela igama lam.

9Yabona, ndinika abesikhungu sikaSathana, abathi bangamaYuda bona, bengengawo,
bexoka; yabona, ndiya kubenza beze baqubude phambi kweenyawo zakho, bazi
ukuba mna ndikuthandile.

10Ngokuba waligcina ilizwi lomonde wam, nam ndiya kukugcina, ndikusindise kwilixa
lokulingwa, eliza kuza phezu kwelimiweyo liphela, ukulinga abo bemiyo phezu
kwehlabathi.

11Yabona, ndiza kamsinya: kúbambe ukuqinise onako, ukuze kungabikho namnye
usithabathayo isithsaba sakho.

12Lowo weyisayo ndiya kumenza intsika etempileni yoThixo wam. Akayi kuba
saphuma phandle; ndaye ndiya kulibhalela phezu kwakhe igama loThixo wam,
negama lomzi woThixo wam, iYerusalem entsha, ehla emazulwini ivela kuThixo wam,
negama lam elitsha.

13Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.

Incwadi kwibandla laseLawodike

14Isithunywa sebandla eliseLawodike, sibhalele uthi: Utsho uAmen, ingqina
elithembekileyo, eliyinyaniso, ingqalo yayo indalo kaThixo, ukuthi:

15Ndiyayazi imisebenzi yakho, ukuba akubandi, akushushu; akwaba ububanda,
akwaba ubushushu.

16Ngenxa enokuba ke udikidiki, ungabandi, ungeshushu, ndiza kukuhlanza uphume
emlonyeni wam.

17Ngokuba uthi, Ndisisityebi, ndizityebisile, andiswele nto; ube ungazi ukuba
uludwayinge, ulusizana, ulihlwempu, uyimfama, uhamba zé;

18ndiyakucebisa, ukuba uthenge kum igolide evutshiswe emlilweni, ukuze ube
nobutyebi; neengubo ezimhlophe, ukuze wambeswe, lingabonakali ihlazo lobuzé
bakho; nentambiso yamehlo, uthambise amehlo akho, ukuze ubone.

19Mna, bonke endibathandayo ndiyabohlwaya, ndibaqeqeshe; zondelela ngoko
uguquke.

20Yabona, ndimi emnyango ndinkqonkqoza; ukuba úthe umntu waliva izwi lam,
waluvula ucango, ndongena kuye, ndidle naye, naye adle nam.

21Lowo weyisayo, ndiya kumvumela ukuba ahlale nam etroneni yam, njengokuba
nam ndeyisáyo, ndaza ndahlala phantsi noBawo etroneni yakhe.

22Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.

© 1975 Bible Society of South Africa.

IsiTyhilelo 4

Umbono wezulu

[1]Emva koko ndabona, nango umnyango uvulekile emazulwini; ilizwi lokuqala endalivayo lalinjengexilongo, lithetha nam, lisithi, Nyukela apha, ndokubonisa izinto ezimele ukubakho emva kwezi.

[2]Ndithe kwaoko ke ndaba kuMoya; nanko kumi itrone emazulwini, phezu kwetrone kukho ohleliyo.

[3]Waye lowo uhleliyo, ukubonakala kwakhe, efana nelitye leyaspisi nelesardiyo; waye umnyàma wenzé isangqa etroneni apho, ufana nelesmarado ukubonakala kwawo.

[4]Kwaye kwenzé isangqa etroneni apho iitrone ezimashumi mabini anané; phezu kweetrone ezo ndabona amadoda amakhulu amashumi mabini anamané, ehleli, ethiwe wambu ngeengubo ezimhlophe, enezithsaba zegolide entloko.

[5]Nasetroneni apho kuphuma imibane, neendudumo, nezandi; kuvutha izibane zomlilo ezisixhenxe phambi kwetrone, ezingabo ooMoya abasixhenxe bakaThixo.

[6]Phambi kwetrone kukho ulwandle lwegilasi, lufana nomkhenkce. Esazulwini setrone apho, nasesangqeni setrone, kukho izinto eziphilileyo eziné, zizele ngamehlo ngaphambili nangasemva.

[7]Eyokuqala into ephilileyo ifana nengonyama; eyesibini into ephilileyo ifana nethole; eyesithathu into ephilileyo inobuso obungathi bobomntu; eyesiné into ephilileyo ifana nokhozi luphaphazela.

[8]Zaye zoné izinto eziphilileyo ezo, iyileyo naleyo, zinamaphiko ngamathandathu ngeenxa zonke, nangaphakathi zizele ngamehlo; zingaphumli imini nobusuku, zisithi: Ingcwele, ingcwele, ingcwele INkosi uThixo uSomandla, Leyo yayikho, ikhoyo, izayo.

[9]Xa zithi izinto eziphilileyo zibè zimnika uzuko nembeko nombulelo lowo uhleli etroneni, lowo udla ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni,

[10]asuka awe amadoda amakhulu, amashumi mabini anamané, phambi kwalowo uhleli etroneni, aqubude kulowo udla ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni, aphose izithsaba zawo phambi kwetrone, esithi:

[11]Ùfanele, Nkosi, ukwamkela uzuko, nembeko, namandla; Ngokuba inguwe owadala zonke izinto, Nangenxa yokuthanda kwakho zikho, zadalelwa oko.

IsiTyhilelo 5

Umbono weMvana kaThixo

[1]Ndabona, esandleni sokunene salowo uhleli etroneni, incwadi ibhalwe ngaphakathi nangaphandle, itywinwe ngamatywina asixhenxe.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ndabona isithunywa sezulu esomeleleyo, sivakalisa ngezwi elikhulu, sisithi, Ngubani
na ofanele ukuyivula incwadi, nokuwanqika amatywina ayo?

3Akabakho namnye ezulwini, naphezu komhlaba, nangaphantsi komhlaba, unako
ukuyivula incwadi, nokuyikhangela oku.

4Ndandilila kakhulu mna, ngokuba kungafunyanwanga namnye ufanele ukuyivula
nokuyilesa incwadi, nokuyikhangela oku.

5Yathi enye indoda enkulu kum, Musa ukulila; yabona, iNgonyama yesizwe
sakwaYuda, iNgcambu kaDavide, ikweyisile ukuyivula incwadi, nokuwanqika
amatywina ayo asixhenxe.

6Ndabona, nantso, esazulwini setrone nesezinto eziphilileyo zone, nasesazulwini
samadoda amakhulu, iMvana engathi ixheliwe, imi ineempondo ezisixhenxe,
namehlo asixhenxe angooMoya bosixhenxe bakaThixo, abathunyelwe emhlabeni
wonke.

7Yeza, yayithabatha incwadi esandleni sokunene salowo uhleli etroneni.

8Yathi yakuyithabatha incwadi, izinto eziphilileyo zoné, namadoda amakhulu
angamashumi mabini anamané, awa phambi kweMvana, iyileyo inohadi, nengqayi
yegolide izele ziziqhumiso, eziyiyo imithandazo yabangcwele.

9Avuma ingoma entsha, esithi: Ùfanele ukuyithabatha incwadi, nokuwavula
amatywina ayo; Ngokuba wena waxhelwa, wasithenga ukuba sibe ngabakaThixo
ngalo igazi lakho, Síphuma kuzo zonke izizwe, neelwimi, nabantu, neentlanga;

10Wasenza ookumkani nababingeleli kuye uThixo wethu; Sasiya kuba ngookumkani
phezu komhlaba.

11Ndabona, ndeva izwi lezithunywa zezulu ezininzi, zenzé isangqa etroneni, nezinto
eziphilileyo, nawo amadoda amakhulu: laye inani lawo lizizigidi zezigidi;

12besithi ngezwi elikhulu: Kuyifanele iMvana eyaxhelwayo ukwamkela amandla,
Nobutyebi, nobulumko, nokomelela, nembeko, nozuko, nokubongwa.

13Kananjalo zonke izidalwa ezisezulwini, naphezu komhlaba, naphantsi komhlaba,
naphezu kolwandle, neento zonke ezikwezo zinto, ndaziva zisithi: Kulowo uhleli
etroneni, nakuyo iMvana, Makubekho ukubongwa, nembeko, nozuko, namandla,
Kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

14Izinto eziphilileyo zoné zathi, Amen. Aza amadoda amakhulu aqubuda.

IsiTyhilelo 6

Ukuvulwa kwamatywina

1Ndabona, xa iMvana yalivulayo elinye lamatywina, ndeva enye kuzo izinto
eziphilileyo zoné, isithi, ngathi kungesandi sokududuma, Yiza ubone.

© 1975 Bible Society of South Africa.

2Ndabona, nalo ihashe elimhlophe; lowo ke wayehleli phezu kwalo enesaphetha;
wanikwa isithsaba, waphuma eseyisa, nokuze eyise.

3Xa yalivulayo elesibini itywina, ndeva eyesibini into ephilileyo isithi, Yiza ubone.

4Kwaphuma elinye ihashe, libomvu; lowo ke wayehleli phezu kwalo
wanikwa igunya lokulususa uxolo emhlabeni, nokuze basikane, wanikwa ikrele
elikhulu.

5Xa yalivulayo elesithathu itywina, ndeva eyesithathu into ephilileyo isithi, Yiza
ubone. Ndabona, nalo ihashe elimnyama; lowo ke wayehleli phezu kwalo ubenesikali
sokulinganisa esandleni sakhe.

6Ndeva izwi esazulwini sezinto eziphilileyo zoné, lisithi, Ibhekile yengqolowa iya
kudla idenariyo, neebhekile ezintathu zerhasi zidle idenariyo, ioli newayini uze
ungayoni.

7Xa yalivulayo elesiné itywina, ndeva izwi lento ephilileyo yesiné lisithi, Yiza ubone.

8Ndabona, nalo ihashe eliluthuthu; lowo ke wayehleli phezu kwalo enguKufá igama
lakhe, nelabafileyo lilandelelana naye. Banikwa igunya lokubulala kwisahlulo sesiné
somhlaba ngekrele, nangendlala, nangokufa, nangawo amarhamncwa omhlaba.

9Xa yalivulayo elesihlanu itywina, ndayibona ngaphantsi kwesibingelelo imiphefumlo
yabo babesikwe ngenxa yelizwi likaThixo, nangenxa yobungqina ababenabo.

10Baye bedanduluka ngezwi elikhulu, besithi, Koda kube nini na, Mnini-nto-zonke
oyingcwele, oyinyaniso, ungagwebi, ungaliphindezeleli igazi lethu kubo abemiyo
phezu komhlaba?

11Banikwa bonke ngabanye iingubo ezinde ezimhlophe; kwathiwa kubo, basaya
kuphumla ixesha elincinane, bade bazaliseke nabangabakhonzi nabo, nabazalwana
babo, abaza kubulawa kwanjengabo.

12Ndabona, xa yalivulayo elesithandathu itywina, nanko, kubakho unyikimo lomhlaba
olukhulu, lathi ilanga laba mnyama, njengengubo erhwexayo yoboya;

13yathi inyanga yaba njengegazi; zathi iinkwenkwezi zezulu zawela emhlabeni,
njengokuba umkhiwane uvuthulula amakhiwane awo atshazileyo,
wakuzanyazanyiswa ngumoya omkhulu.

14Lathi izulu lafingeka, njengencwadi esongiweyo; zathi iintaba zonke neziqithi
zasuswa ezindaweni zazo.

15Bathi ookumkani bomhlaba, namanene, nezityebi, nabathetheli-waka,
nabanamandla, namakhoboka onke, nabakhululekileyo bonke, bazifihla
emiqolombeni nasemaweni eentaba.

16Bathi kwiintaba nakumawa, Siweleni, nisifihle ebusweni balowo uhleli phezu
kwetrone, nasengqumbeni yeMvana;

© 1975 Bible Society of South Africa.

17ngokuba ufikile umhla omkhulu wengqumbo yayo; ngubani na ke onako ukuma?

IsiTyhilelo 7

Ukutywinwa kwekhulu elinamashumi amané anesiné lamawaka

1Emva koko ndabona izithunywa zezulu ziziné, zimi ezimbombeni zoné zomhlaba, zibambe imimoya yominé yomhlaba, ukuze kungavuthuzi moya phezu komhlaba, naphezu kolwandle, naphezu kwemithi yonke.

2Ndabona esinye isithunywa sezulu, sinyuka sivela empumalanga, sinetywina likaThixo ophilileyo. Sadanduluka ngezwi elikhulu kuzo izithunywa zezulu zoziné, ezanikwa igunya lokuwonakalisa umhlaba nolwandle, sisithi,

3Musani ukuwona umhlaba, nolwandle, nemithi, side sibatywine abakhonzi boThixo wethu emabunzini abo.

4Ndaliva inani labo babetywiniwe: kwatywinwa ikhulu elinamanci mané anesiné lamawaka, kuzo zonke izizwe zoonyana bakaSirayeli.

5Esizweni sakwaYuda kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaRubhen kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaGadi kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

6Esizweni sakwa-Ashere kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaNafetali kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaManase kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

7Esizweni sakwaSimon kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaLevi kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaIsakare kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

8Esizweni sakwaZebhulon kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaYosefu kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka. Esizweni sakwaBhenjamin kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

Umbono wabasindisiweyo ezulwini

9Emva koko ndabona, naso isihlwele esikhulu, ebekungekho namnye unako ukusibala, siphuma kuzo zonke iintlanga, nezizwe, nabantu, neelwimi, simi phambi kwetrone naphambi kweMvana, bethiwe wambu ngeengubo ezinde ezimhlophe, benamasundu ezandleni zabo,

10bedanduluka ngezwi elikhulu, besithi: Usindiso kuye uThixo wethu, Lowo uhleli phezu kwetrone, Nakuyo iMvana!

11Zaye zonke izithunywa zezulu zimi, zenzé isangqa etroneni, nakuwo amadoda amakhulu, nakuzo izinto eziphilileyo zoné, zawa phambi kwetrone ngobuso bazo,

© 1975 Bible Society of South Africa.

12zaqubuda kuye uThixo, zisithi: Amen, Ukubongwa, nozuko, nobulumko, Nombulelo, nembeko, namandla, nokomelela, Makube kuye uThixo wethu, Kuse emaphakadeni asemaphakadeni! Amen.

13Yaphendula enye indoda enkulu, isithi kum, Aba bathiwe wambu ngeengubo ezinde ezimhlophe bangoobani na? bevela phi na?

14Ndithi kuyo, Nkosi, nguwe owaziyo. Yathi kum, Aba ngabaphumáyo embandezelweni enkulu, bazihlamba iingubo zabo ezinde, bazenza mhlophe egazini leMvana.

15Ngenxa yoko baphambi kwetrone kaThixo, bemkhonza imini nobusuku etempileni yakhe; nalowo uhleli phezu kwetrone uya kuba ngumnquba phezu kwabo.

16Abayi kuba salamba, abayi kuba sanxanwa; aliyi kubawèla nelanga, nabunye ubushushu;

17ngokuba iMvana esesazulwini setrone iya kubalúsa, ibakhokelele emithonjeni ephilileyo yamanzi; waye uThixo eya kuzisula iinyembezi zonke emehlweni abo.

IsiTyhilelo 8

Ukuvuthelwa kwamaxilongo asixhenxe

1Xa yalivulayo elesixhenxe itywina, kwabakho ukuzola ezulwini, kwangathi sisiqingatha seyure.

2Ndazibona izithunywa zezulu ezisixhenxe, ezimayo phambi koThixo; zaza zanikwa amaxilongo asixhenxe.

3Seza esinye isithunywa, sema esibingelelweni, sinesiqhumiselo segolide, sanikwa iziqhumiso zazininzi, ukuze sizinikele, kunye nemithandazo yabangcwele bonke, phezu kwesibingelelo segolide esiphambi kwetrone.

4Wenyuka ke umsi weziqhumiso, kunye nemithandazo yabangcwele, ephuma esandleni sesithunywa sezulu, waya emehlweni kaThixo.

5Sathi isithunywa sasithabatha isiqhumiselo eso, sasizalisa ngomlilo wesibingelelo, sawuphosa emhlabeni; kwabakho izandi, neendudumo, nemibane, nenyikima.

6Zaza izithunywa ezisixhenxe ezinamaxilongo osixhenxe, zazilungiselela ukuba zivuthele amaxilongo.

7Sathi esokuqala isithunywa savuthela ixilongo, kwabakho isichotho nomlilo, ziphithikezwe negazi, zaphoswa emhlabeni; saza isahlulo sesithathu semithi satshiswa, nabo bonke utyani obuluhlaza batshiswa.

8Sathi esesibini isithunywa savuthela ixilongo, kwanga kuphoswa intaba enkulu, isitsha ngumlilo, elwandle; saza isahlulo sesithathu solwandle saba ligazi;

© 1975 Bible Society of South Africa.

9safa isahlulo sesithathu sezidalwa eziphilileyo eziselwandle; nesahlulo sesithathu semikhombe sonakaliswa.

10Sathi esesithathu isithunywa savuthela ixilongo, kwawa ezulwini inkwenkwezi enkulu, ivutha njengesibane, yawa phezu kwesahlulo sesithathu semilambo, naphezu kwemithombo yamanzi.

11Igama lenkwenkwezi leyo kuthiwa nguMhlonyane; saza isahlulo sesithathu samanzi saba ngumhlonyane; yathi into eninzi yabantu yafa ngawo amanzi, ngokuba aba krakra.

12Sathi esesiné isithunywa savuthela ixilongo, saza sabethwa isahlulo sesithathu selanga, nesahlulo sesithathu senyanga, nesahlulo sesithathu seenkwenkwezi, ukuze isahlulo sesithathu sazo sibe mnyama, sithi isahlulo sesithathu sayo imini singakhanyi, bube njalo nobusuku.

13Ndabona, ndeva olunye ukhozi luphaphazela esazulwini samazulu, lusithi ngezwi elikhulu, Yeha! yeha! yeha! abo bemiyo phezu komhlaba, ngawo amazwi aseleyo exilongo lezithunywa ezithathu, ezisaza kuvuthela amaxilongo.

IsiTyhilelo 9

1Sathi esesihlanu isithunywa savuthela ixilongo; ndabona inkwenkwezi iphuma ezulwini, yawéla emhlabeni; sanikwa isitshixo sequla lenzonzobila.

2Salivula iqula lenzonzobila. Kwenyu ka umsi uphuma equleni apho, njengomsi weziko elikhulu, lamnyama ilanga nesibhakabhaka ngumsi wequla elo.

3Emsini apho kwaphuma iinkumbi, ezeza emhlabeni, zanikwa igunya, njengokuba benegunya oonomadudwane bomhlaba.

4Kwathiwa kuzo, ize utyani bomhlaba zingaboni, nanye into eluhlaza, nanye into engumthi; ibe ngabantu bodwa, bona abo bangenalo itywina likaThixo emabunzini abo.

5Zanikwa igunya lokungababulali, bathuthunjelwe nje kodwa iinyanga ezintlanu; intuthumbo yazo yayinjengentuthumbo yoonomadudwane, xa athe wamhlaba umntu.

6Ngaloo mihla abantu baya kukufuna ukufa, bangakufumani; baya kukunqwenela ukufa, kusuke ukufa kusabe kubo.

7Iimfano zeenkumbi ezo, zibe zifana namahashe, elungiselwe imfazwe, ezintloko izizithsaba ezifana negolide, nobuso bazo bunjengobuso babantu.

8Zaye zineenwele ezingathi ziinwele zamankazana, namazinyo azo engathi ngawengonyama.

9Zaye zinezigcina-zifuba ezingathi zizigcina-zifuba zentsimbi, isandi samaphiko azo singathi sisandi seenqwelo zamahashe amaninzi, ebaleka esiya emfazweni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

10Zinemisila efana neyoonomadudwane, kukho nezamvila emisileni yazo; igunya lazo lilelokona abantu iinyanga ezintlanu.

11Zinokumkani phezu kwazo, usisithunywa senzonzobila, ogama lakhe ngesiHebhere linguAbhadon, ngesiGrike unegama elinguApoliyon.

12Owokuqala uyeha udlule; yabona, kuza ooyeha ababini emva koko.

13Sathi esesithandathu isithunywa savuthela ixilongo, ndeva izwi liphuma ezimpondweni zoné zesibingelelo segolide esisemehlweni kaThixo,

14lisithi kwisithunywa sesithandathu esasinexilongo, Zikhulule izithunywa eziné ezikhonkxwe emlanjeni omkhulu ongumEfrati.

15Zaza zakhululwa izithunywa zoziné, ezazilungiselwe ilixa nemini nenyanga nomnyaka, ukuze zibulale isahlulo sesithathu sabantu.

16Laye inani lemikhosi yamahashe lizizigidi zezigidi eziphindeke kabini; ndaliva inani layo.

17Ndawabona ngokunjalo amahashe embonweni lowo, nabó babehleli phezu kwawo, benezigcina-zifuba ezimlilo, nezimsi, nezisulfure; iintloko zamahashe zingathi ziintloko zeengonyama, emlonyeni wawo kuphuma umlilo, nomsi, nesulfure.

18Ngezo nto zontathu sabulawa isahlulo sesithathu sabantu ngomlilo, nangomsi, nangesulfure, ezaphumayo emlonyeni wawo.

19Kuba amagunya awo asemlonyeni wawo nasemisileni yawo; kuba imisila yawo ifana neenyoka, ineentloko; ngayo áyonakalisa.

20Amasalela abantu, abangabulawanga ngazo ezo zibetho, akaguqukanga emisebenzini yezandla zawo, ukuze angaqubudi kuzo iidemon, nezithixo zegolide, nezesilivere, nezobhedu, nezamatye, nezemithi, ezingenako nokubona, nokuva, nokuhamba;

21akaguqukanga nasekubulaleni kwawo, nasekukhafuleni kwawo, nasembulweni wawo, nasebuseleni bawo.

IsiTyhilelo 10

Ukudliwa kwencwadana

1Ndabona esinye isithunywa sezulu esinamandla, sisihla ezulwini, sithiwe wambu ngelifu; kukho umnyàma entloko, ubuso baso bungathi lilanga, iinyawo zaso zingathi ziintsika zomlilo.

2Esandleni saso saye sinencwadana ivulekile. Salumisa unyawo lwaso lokunene phezu kolwandle, ke olokhohlo phezu komhlaba;

3sadanduluka ngezwi elikhulu, ngathi yingonyama igquma. Sathi sakudanduluka, iindudumo ezisixhenxe zazivakalisa izandi zazo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Xa iindudumo ezisixhenxe zazivakalisayo izandi zazo, ndandiza kubhala; ndaza ndeva izwi liphuma emazulwini, lisithi kum, Zitywine izinto ezizivakalisileyo iindudumo ezisixhenxe, ungazibhali zona.

5Saza isithunywa sezulu, endasibonayo simi phezu kolwandle naphezu komhlaba, sasiphakamisela ezulwini isandla saso, safunga lowo udla ubomi,

6ase emaphakadeni asemaphakadeni, owadala izulu nezinto ezikulo, nomhlaba nezinto ezikuwo, nolwandle nezinto ezikulo, ukuthi, Akuyi kuba sabakho xesha.

7Ke ngemihla yezwi lesesixhenxe isithunywa sezulu, xa sukuba siza kuvuthela ixilongo, iya kuzaliseka imfihlakalo kaThixo, njengoko wazishumayelayo iindaba ezilungileyo kwabangabakhe abakhonzi, abaprofeti.

8Lathi izwi endalivayo liphuma emazulwini, labuya lathetha nam, lisithi, Hamba uye uyithabathe incwadana evulekileyo, esesandleni sesithunywa esimiyo phezu kolwandle naphezu komhlaba.

9Ndesuka ke ndaya kwisithunywa eso, ndathi kuso, Ndinike incwadana leyo. Sathi kum, Yithabathe, uyidle uyigqibe; yosenza sibe krakra isisu sakho, kodwa emlonyeni wakho yoba nencasa enjengeyobusi.

10Ndayithabatha ke incwadana esesandleni sesithunywa eso, ndayidla ndayigqiba; yaye emlonyeni wam inencasa enjengeyobusi; xa ndayidlayo, saba krakra isisu sam.

11Sathi kum, Umele ukuba ubuye uprofete ngabantu, neentlanga, neelwimi, nookumkani, abaninzi.

IsiTyhilelo 11

Amangqina amabini

1Ndaza ndanikwa ingcongolo, ifana nentonga; saye isithunywa eso simi, sisithi, Suka uyilinganise itempile kaThixo, nesibingelelo, nabo banqulayo bekuyo.

2Intendelezo engaphandle kwetempile yiphose phandle, ungayilinganisi yona; ngokuba inikwe iintlanga; umzi ongcwele ziya kuwunyathelela phantsi iinyanga ezimashumi mané anambini.

3Ndiya kuwanika amangqina am amabini, aprofete imihla eliwaka elinamakhulu mabini anamanci mathandathu, ethiwe wambu ngeengubo ezirhwexayo.

4Láwo yile minquma mibini, nezi ziphatho zezibane zibini, zimiyo phambi koThixo womhlaba.

5Ukuba kukho bani unga angawonakalisa, kophuma umlilo emlonyeni wawo, uzidle uzigqibe iintshaba zawo; nokuba kukho bani unga angawonakalisa, umelwe kukubulawa ngokunjalo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Wona la ánegunya lokulivala izulu, ukuze kungani mvula ngemihla yokuprofeta kwawo. Kananjalo anegunya phezu kwamanzi ukuwaguqula abe ligazi, nokuwubetha umhlaba ngezibetho zonke, ngamaxa onke asukuba ethanda ngawo.

7Xa athe abufeza ubungqina bawo, irhamncwa elinyuka liphuma enzonzobileni liya kwenza imfazwe nawo, liweyise, liwabulale.

8Izidumbu zawo ziya kuba sesitratweni somzi omkhulu, okuthiwa ngokomoya yiSodom neYiputa, apho kananjalo yabethelelwa khona emnqamlezweni iNkosi yawo.

9Abakubo abantu, nezizwe, neelwimi, neentlanga, baya kuzibona izidumbu zawo imihla emithathu enesiqingatha somhla, bangavumi ukuba izidumbu zawo zibekwe emangcwabeni.

10Abo bemiyo phezu komhlaba baya kuwavuyelela, babe nemihlali; bathumelane izipho; ngokuba abo baprofeti babini bábathuthumbisa abo bemiyo phezu komhlaba.

11Emva kwemihla leyo mithathu inesiqingatha somhla, umoya wobomi ophume kuThixo wangena kuwo, ema ngeenyawo zawo; baza bawelwa luloyiko olukhulu abo bawabonayo.

12Eva izwi elikhulu liphuma ezulwini, lisithi kuwo, Nyukelani apha! Enyuka, aya ezulwini esefini; zawabona iintshaba zawo.

13Ngelo lixa kwabakho unyikimo lomhlaba olukhulu, isahlulo seshumi somzi sawa, kwabulawa kolo lunyikimo abantu abangamawaka asixhenxe; abo baseleyo bangenelwa luloyiko, bamzukisa uThixo wezulu.

14Uyeha wesibini udlule; yabona uyeha wesithathu uyeza kamsinya.

Ixilongo lesixhenxe

15Sathi esesixhenxe isithunywa savuthela ixilongo; kwabakho amazwi amakhulu emazulwini, esithi: Izikumkani zehlabathi zithe zaba zezeNkosi yethu nezikaKristu wayo. Wayeya kuba nguKumkani kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

16Aza amadoda amakhulu, angamashumi mabini anamané, ahleli phambi koThixo phezu kweetrone zawo, awa ngobuso bawo, aqubuda kuye uThixo,

17esithi: Siyabulela kuwe, Nkosi, Thixo, Somandla, Wena ukhoyo, wawukho, uzayo, Kuba uwathabathile amandla akho amakhulu, waba nguKumkani.

18Iintlanga zaqumba, Yeza ingqumbo yakho, Leza nexesha labo bafileyo ukuba bagwetywe, Nelokubanika umvuzo wabo abakhonzi bakho abaprofeti, nabo bangcwele, Nabo baloyikayo igama lakho, abancinane nabakhulu, Nelokonakalisa abo bawonakalisayo umhlaba.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Yavulwa itempile kaThixo emazulwini, yabonakala ityeya yomnqophiso wakhe etempileni yakhe; kwabakho imibane, nezandi, neendudumo, nonyikimo lomhlaba, nesichotho esikhulu.

IsiTyhilelo 12

Umbono womfazi nenamba

1Kwabonakala umqondiso omkhulu emazulwini: umfazi ethiwe wambu ngelanga, inyanga ingaphantsi kweenyawo zakhe, entloko kuye isisithsaba seenkwenkwezi ezilishumi elinambini.

2Uthi emithi akhale, enenimba, ethuthunjelwa ekuzaleni.

3Kwabonakala omnye umqondiso emazulwini: nantso, inamba enkulu ebomvu, ineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi, kwiintloko zayo izizithsaba ezisixhenxe.

4Umsila wayo wawurhola isahlulo sesithathu seenkwenkwezi zezulu, waziphosa emhlabeni. Yathi inamba leyo yema phambi komfazi owayeza kuzala, ukuze, xa athe wazala, imdle imgqibe umntwana wakhe.

5Wazala umntwana oyinkwenkwe, oza kuzalúsa zonke iintlanga ngentonga yentsimbi; umntwana wakhe lowo wathiwa xwi, wasiwa kuye uThixo, nakuyo itrone yakhe.

6Wathi umfazi wasabela entlango, apho ikhona indawo ayilungiselwe nguThixo, ukuze bamnqake khona imihla eliwaka elinamakhulu mabini anamanci mathandathu.

7Kwaza kwabakho imfazwe emazulwini, uMikayeli nezithunywa zakhe besilwa nenamba, inamba nezithunywa zayo zisilwa;

8àzaba nakweyisa, kanjalo ayaba safunyanwa indawo yazo emazulwini.

9Yaphoswa phantsi inamba enkulu, inyoka yakudala, leyo kuthiwa nguMtyholi, uSathana ke, lowo ulilahlekisayo elimiweyo liphela; yaphoswa emhlabeni, nezithunywa zayo zaphoswa kunye nayo.

10Ndaza ndeva izwi elikhulu emazulwini lisithi, Ngoku luthe usindiso, namandla, nobukumkani, lwaba lolukaThixo wethu, negunya laba lelikaKristu wakhe; ngokuba ukhahlelwe phantsi ummangaleli wabazalwana bethu, lowo ubamangalelayo emehlweni kaThixo wethu imini nobusuku.

11Bameyisile bona ngenxa yegazi leMvana, nangenxa yelizwi lobungqina babo; abawuthandanga umphefumlo wabo, kwada kwasekufeni.

12Ngenxa yoko yibani nemihlali, nina mazulu, nani ninomnquba kuwo. Yeha, abo bawumiyo umhlaba nolwandle! ngokuba uhlile weza kuni uMtyholi, enomsindo omkhulu, esazi nje ukuba ixesha analo lincinane.

© 1975 Bible Society of South Africa.

13Yaza yathi inamba, yakubona ukuba iphoswe emhlabeni, yamtshutshisa umfazi ozele umntwana oyinkwenkwe.

14Umfazi wanikwa amaphiko amabini okhozi olukhulu, ukuze aphaphazele aye entlango, endaweni yakhe, apho anqakwa khona ixesha, namaxesha, nesiqingatha sexesha, kùde nobuso benyoka.

15Inyoka yakhupha emva komfazi ngomlomo wayo amanzi anjengomlambo, ukuze imkhukulise nomlambo.

16Umhlaba wamsiza umfazi, wathi umhlaba wawuvula umlomo wawo, wawufinca umlambo eyawukhuphayo inamba ngomlomo wayo.

17Yamqumbela umfazi inamba, yemka yaya kulwa nabaseleyo bembewu yakhe, abo bayigcinayo imithetho kaThixo, abanobungqina bukaYesu Kristu.

IsiTyhilelo 13

Umbono werhamncwa lolwandle nelomhlaba

1Ndaza ndema phezu kwentlabathi yolwandle. Ndabona kunyuka, kuphuma elwandle, irhamncwa, lineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi, ezimpondweni zalo izizithsaba ezilishumi, kwiintloko zalo iligama lonyeliso.

2Laye irhamncwa elo ndalibonayo lifana nengwe, iinyawo zalo zinjengezebhere, umlomo walo unjengomlomo wengonyama. Inamba yalinika amandla ayo, netrone yayo, negunya elikhulu.

3Ndabona enye yazo iintloko zalo, ingathi ixatyelwe yafa; inxeba lalo elibanga ukufa laphiliswa. Wamangaliswa umhlaba uphela, walilandela irhamncwa elo.

4Bayinqula inamba eyalinika igunya irhamncwa, balinqula irhamncwa, besithi, Ngubani na ofana nerhamncwa elo? ngubani na onako ukulwa nalo?

5Lanikwa umlomo othetha izinto ezinkulu, nezinyeliso; kanjalo lanikwa igunya lokulwa iinyanga ezimashumi mané anesibini.

6Lawuvulela umlomo walo ekumnyeliseni uThixo, ukuba lilinyelise igama lakhe, nomnquba wakhe, nabo bahleli emazulwini.

7Lanikwa igunya lokulwa nabangcwele, libeyise; lanikwa igunya kuzo zonke izizwe, neelwimi, neentlanga.

8Baya kulinqula bonke abo bemiyo phezu komhlaba, abamagama angabhalwanga encwadini yobomi yayo iMvana, exheliweyo kususela ekusekweni kwehlabathi.

9Ukuba ubani unendlebe, makeve.

10Ukuba ubani uhlanganisela abanye ekuthinjweni, naye uya kusiwa ekuthinjweni; ukuba ubani ubulala ngekrele, umelwe kukubulawa naye ngekrele. Nalu unyamezelo nokholo lwabangcwele.

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ndabona elinye irhamncwa linyuka liphuma emhlabeni; laye lineempondo ezimbini zifana nezemvana, laye lithetha njengenamba.

12Lenza lonke igunya lelokuqala irhamncwa, elalingaphambi kwalo; lenza umhlaba, nabo bawumiyo, ukuba balinqule irhamncwa lokuqala, elaphiliswayo inxeba lalo elibanga ukufa.

13Lenza imiqondiso emikhulu, ukuze lihlise nomlilo ezulwini, uze emhlabeni phambi kwabantu,

14libalahlekise abo bemiyo phezu komhlaba, ngemiqondiso elayinikwayo ukuba liyenze emehlweni erhamncwa elo; lisithi kwabo bemiyo phezu komhlaba, mabalenzele umfanekiselo irhamncwa, elibe linenxeba lalo ikrele, laphila.

15Lanikwa igunya lokuwunika umfanekiselo werhamncwa umoya, ukuze umfanekiselo werhamncwa elo uthethe nokuthetha, wenze ukuba babulawe abasukuba bengaqubudi kuwo umfanekiselo werhamncwa.

16Lenza bonke, abancinane nabakhulu, abazizityebi nabangamahlwempu, abakhululekileyo nabangamakhoboka, ukuba baphawulwe lilo esandleni sabo sokunene, nokuba kusemabunzini abo;

17nokuze kungabikho mntu unako ukuthenga nokuthengisa, ingenguye lowo unophawu, nokuba ligama lerhamncwa, nokuba linani legama lalo.

18Nabu ubulumko. Lowo unengqiqo makalibale inani lerhamncwa; kuba linani lomntu; inani lalo ke lingamakhulu omathandathu anamanci mathandathu anesithandathu.

IsiTyhilelo 14

Umbono weMvana nabasindisiweyo

1Ndabona, nantso iMvana imi phezu kwentaba yeZiyon, kumi nayo ikhulu elinamanci mané anesiné lamawaka, benalo igama loYise libhaliwe emabunzini abo.

2Ndeva izwi liphuma ezulwini, lingathi sisandi samanzi amaninzi, lingathi sisandi sendudumo enkulu. Ndeva nezwi lababethi beehadi, bebetha iihadi zabo;

3bevuma ingoma engathi intsha, phambi kwetrone, naphambi kwezinto eziphilileyo zoné, namadoda amakhulu; kwaye kungekho namnye unako ukuyifunda ingoma leyo, lingelilo ikhulu elinamanci mané anesiné lamawaka, ababethengiwe emhlabeni.

4Aba ngabo bangadyobhekanga ngabafazi, kuba benyulu. Aba ngabo bayilandelàyo iMvana apho isukuba isiya khona. Aba báthengwa bephuma ebantwini, baziintlahlela kuye uThixo nakuyo iMvana.

5Emlonyeni wabo akufunyanwanga nkohliso, kuba bengenakubekwa bala.

Umbono wezithunywa ezithathu

© 1975 Bible Society of South Africa.

6Ndabona esinye isithunywa sezulu, siphaphazela esazulwini samazulu, sineendaba
ezilungileyo ezingunaphakade, ukuba sizishumayele kwabo bemiyo phezu komhlaba,
nakwiintlanga zonke, nezizwe, neelwimi, nabantu;

7sisithi ngezwi elikhulu, Moyikeni uThixo, nimzukise; ngokuba lifikile ixa lokugweba
kwakhe; nimnqule lowo wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, nemithombo yamanzi.

8Kwaza kwalandela esinye isithunywa sezulu, sisithi, Iwile, iwile iBhabheli, loo mzi
mkhulu! ngokuba isezé zonke iintlanga ngewayini yomsindo wobuhenyu bayo.

9Saza esesithathu isithunywa sezulu sazilandela zona, sisithi ngezwi elikhulu, Ukuba
umntu uyalinqula irhamncwa nomfanekiselo walo, amkele uphawu lwalo ebunzini
lakhe, nokuba kusesandleni sakhe:

10yena wosela iwayini yomsindo kaThixo, egalelwe ingaphithikeziwe endebeni
yengqumbo yakhe, athuthunjiswe ngomlilo nesulfure phambi kwezithunywa
ezingcwele, naphambi kweMvana.

11Umsi wokuthuthunjelwa kwabo unyuka use emaphakadeni asemaphakadeni;
àbanakuphumla imini nobusuku abo banqula irhamncwa nomfanekiselo walo,
nomntu ukuba uthi alwamkele uphawu lwegama lalo.

12Nalu unyamezelo lwabangcwele; nabá abayigcinàyo imithetho kaThixo nokukholwa
kuYesu.

13Ndeva izwi liphuma emazulwini, lisithi kum, Bhala, uthi, Banoyolo abafi, abo bafela
eNkosini, kuthabathela apha; ewe, utsho uMoya, ukuba baphumle ekubulalekeni
kwabo; imisebenzi yabo ke ilandelana nabo.

Ukuvunwa nokuxovulwa komdiliya womhlaba

14Ndabona, nalo ilifu elimhlophe; elifini apho kuhleli ofana noNyana woMntu,
enesithsaba segolide entloko, esandleni sakhe enerhengqa elibukhali.

15Kwaphuma esinye isithunywa sezulu etempileni, sidanduluka ngezwi elikhulu kulo
uhleli efini, sisithi, Lifake irhengqa lakho, uvune; ngokuba lifikile kuwe ilixa lokuvuna;
ngokuba ukudla komhlaba kuvuthiwe.

16Lowo uhleli efini waliphosa irhengqa lakhe emhlabeni; wavunwa ke umhlaba.

17Kwaza kwaphuma esinye isithunywa sezulu etempileni
esemazulwini, naso sikwanerhengqa elibukhali.

18Kwaphuma esinye isithunywa sezulu esibingelelweni, sinegunya kuwo umlilo;
sabiza ngonkqangazo olukhulu kweso sinerhengqa elibukhali, sisithi, Lifake irhengqa
lakho elibukhali, ubuthe izihloko zomdiliya womhlaba, ngokuba iidiliya zawo
zigqibele ukuvuthwa.

19Isithunywa saliphosa irhengqa laso emhlabeni, sawubutha umdiliya womhlaba,
sawuphosa esixovulelweni esikhulu somsindo kaThixo.

© 1975 Bible Society of South Africa.

[20]Isixovulelo eso sanyathelwa ngaphandle komzi lowo; kwaphuma igazi esixovulelweni eso, lada lafika emikhaleni yamahashe, umgama wezitadiya eziliwaka elinamakhulu amathandathu.

IsiTyhilelo 15

Umbono weengqayi nezibetho ezisixhenxe

[1]Ndabona ezulwini omnye umqondiso omkhulu, ongummangaliso; izithunywa zezulu ezisixhenxe zinazo izibetho ezisixhenxe zokugqibela; ngokuba wazaliseka umsindo kaThixo ngazo.

[2]Ndabona ngathi lulwandle lwegilasi, luphithikezene nomlilo; nabó bavela beloyisile irhamncwa, nomfanekiselo walo, nophawu lwalo, nenani legama lalo, bemi ngaselwandle lwegilasi, beneehadi zikaThixo.

[3]Bayivuma ingoma kaMoses, umkhonzi kaThixo, nengoma yeMvana, besithi: Mikhulu, ingummangaliso imisebenzi yakho, Nkosi, Thixo Somandla; Zinobulungisa, ziyinyaniso iindlela zakho, Kumkani weentlanga.

[4]Ngubani na ongekhe akoyike wena, Nkosi, Angalizukisi igama lakho? Ngokuba inguwe wedwa ongcwele; Ngokuba zonke iintlanga ziya kuza ziqubude phambi kwakho, Ngokuba imisebenzi yakho yobulungisa ibonakalalisiwe.

[5]Ndaza emva koko ndabona, nantso ivuliwe itempile yomnquba wobungqina emazulwini.

[6]Zaphuma ke etempileni izithunywa zosixhenxe, zinezibetho ezisixhenxe, zambethe ilinen emhlophe eqaqambileyo, ziyibhinqele ezifubeni imibhinqo yegolide.

[7]Yathi enye kuzo izinto eziphilileyo zoné, yazinika izithunywa ezisixhenxe iingqayi zegolide ezisixhenxe, zizele ngumsindo kaThixo, odla ubomi kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

[8]Yazala itempile ngumsi ophuma ebuqaqawulini bukaThixo, nasemandleni akhe; kwaye kungekho namnye unako ukungena etempileni, zada zazaliseka izibetho zosixhenxe zezithunywa zosixhenxe.

IsiTyhilelo 16

[1]Ndeva izwi elikhulu liphuma etempileni, lisithi kuzo izithunywa zezulu zosixhenxe, Hambani, niye kuziphalaza iingqayi zomsindo kaThixo emhlabeni.

[2]Semka ke esokuqala, sayiphalaza ingqayi yaso emhlabeni; kwabakho isilonda esibi esinobuhlungu ebantwini, abo banophawu lwerhamncwa, abo baqubudáyo kuwo umfanekiselo walo.

[3]Saza esesibini isithunywa sayiphalaza ingqayi yaso elwandle; lwaba ligazi elinjengelofileyo, yaza yonke imiphefumlo edla ubomi yafa elwandle.

© 1975 Bible Society of South Africa.

4Saza esesithathu isithunywa sayiphalaza ingqayi yaso emilanjeni nasemithonjeni yamanzi; yaba ligazi.

5Ndeva isithunywa samanzi, sisithi: Ùnobulungisa, Nkosi, wena ukhoyo, wawukho, uyingcwele, ngokuba ugwebile wenjenje;

6Ngokuba baliphalazile igazi labangcwele nelabaprofeti; Wabanika igazi ukuba balisele, ngokuba belifanele.

7Ndeva esinye siphuma esibingelelweni, sisithi: Ewe, Nkosi, Thixo Somandla, Iyinyaniso, inobulungisa imigwebo yakho.

8Saza esesiné isithunywa sayiphalaza ingqayi yaso elangeni; sanikwa igunya lokutshisa abantu ngomlilo.

9Batsha abantu bubushushu obukhulu; balinyelisa igama likaThixo, onalo igunya kwezo zibetho; àbaguquka bamzukise.

10Saza esesihlanu isithunywa sayiphalaza ingqayi yaso etroneni yerhamncwa; baba mnyama ubukumkani balo; bamana beziluma iilwimi ngenxa yeentlungu;

11bamnyelisa uThixo wamazulu ngenxa yeentlungu zabo, nangenxa yezilonda zabo: àbaguquka emisebenzini yabo.

12Saza esesithandathu isithunywa sayiphalaza ingqayi yaso emlanjeni omkhulu ongumEfrati; atsha amanzi awo, ukuze ilungiswe indlela yookumkani abo bavela empumalanga.

13Ndabona kuphuma emlonyeni wenamba, nasemlonyeni werhamncwa, nasemlonyeni womprofeti wobuxoki, oomoya abathathu abangcolileyo, befana namasele.

14Kuba bangoomoya beedemon, besenza imiqondiso; àbaphuma baye kubo ookumkani bomhlaba, nabelimiweyo liphela, ukubahlanganisela emfazweni yaloo mini inkulu kaThixo, uSomandla.

15Yabona, ndiza njengesela. Únoyolo lowo uphaphileyo, uzigcinayo iingubo zakhe, ukuze angahambi zé, balibone ihlazo lakhe.

16Babahlanganisela endaweni ekuthiwa ngesiHebhere yiArmagedon.

17Saza esesixhenxe isithunywa sayiphalaza ingqayi yaso esibhakabhakeni; kwaphuma izwi elikhulu, livela etempileni yamazulu, livela etroneni, lisithi, Kwenzekile.

18Kwabakho imibane, nezandi, neendudumo; kwabakho nonyikimo lomhlaba olukhulu, ekungazanga kubekho lunjalo unyikimo ukuba lukhulu, kuseloko kwabakhoyo abantu emhlabeni.

© 1975 Bible Society of South Africa.

19Umzi omkhulu lowo waba zahlulo zithathu; yathi imizi yeentlanga yawa; iBhabheli enkulu yakhunjulwa emehlweni kaThixo, ukuba inikwe indebe yewayini yomsindo wengqumbo yakhe.

20Into yonke eziziqithi yabaleka, neentaba azafunyanwa.

21Kwesuka kwehla ezulwini phezu kwabantu isichotho esikhulu, esimatye ngathi ubunzima bawo yitalente ngalinye; baza abantu bamnyelisa uThixo ngenxa yesibetho sesichotho eso, ngokuba sisikhulu kakhulu isibetho saso.

IsiTyhilelo 17

Umbono wehenyukazi nerhamncwa

1Saza seza esinye sazo izithunywa zezulu zosixhenxe, ezineengqayi zosixhenxe, sathetha nam, sisithi kum, Yiza apha, ndikubonise ukugwetywa kwalo ihenyukazi elikhulu, elihleli phezu kwawo amanzi amaninzi;

2abahenyuzé nalo ookumkani bomhlaba, abo bawumiyo umhlaba, banxiliswa yiwayini yobuhenyu balo.

3Sandísa entlango ndikuMoya; ndabona inkazana ihleli phezu kwerhamncwa elimfusa, lizele ngamagama onyeliso, lineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi.

4Yaye inkazana leyo ithiwe wambu ngengubo ebomvu nemfusa, ihonjiswe ngegolide, nelitye elinqabileyo, neeperile, inendebe yegolide esandleni sayo, izele ngamasikizi nezingcoliso zobuhenyu bayo.

5Ebunzi kubhalwe igama elithi, IMFIHLELO, IBHABHELI ENKULU, UNINA WAMAHENYUKAZI NOWAMASIKIZI OMHLABA.

6Ndayibona inkazana leyo inxila ligazi labangcwele, naligazi lamangqina kaYesu. Ndamangaliswa ngokumangaliswa okukhulu ndakuyibona.

7Sathi kum isithunywa sezulu, Umangaliswe yini na? Ndokuxelela mna imfihlelo yenkazana le, neyerhamncwa eli liyithweleyo, lineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi.

8Irhamncwa owalibonayo laye likho, alikho; liza kunyuka liphume enzonzobileni, limke liye entshabalalweni. Baya kumangaliswa abo bemiyo phezu komhlaba, abamagama angàbhaliweyo encwadini yobomi kuseloko kwaba sekusekweni kwehlabathi, belibona nje irhamncwa elaye likho, elingekhoyo, likho noko.

9Nantsi ingqiqo enobulumko. Iintloko ezisixhenxe ezi ziintaba ezisixhenxe, ehleli phezu kwazo inkazana leyo.

10Kananjalo zona zingookumkani abasixhenxe. Abahlanu báwa, omnye ukho, omnye akakafiki; xa athe wafika, umelwe kukuhlala umzuzwana.

11Irhamncwa elaye likho, elingekhoyo, lona lingowesibhozo okwangowabasixhenxe;

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society of south africa

12umka aye entshabalalweni. Iimpondo ezilishumi owazibonayo zingookumkani abalishumi, bona abo bangekamkeli bukumkani, basuka bamkele, njengookumkani, igunya lelixa elinye kunye nerhamncwa.

13Aba banasicamango sinye, babeya kunikela amandla negunya labo kulo irhamncwa.

14Aba baya kwenza imfazwe neMvana. IMvana iya kubeyisa, ngokuba inguNkosi kankosi, inguKumkani kakumkani; baya kweyisa nabo banayo, babiziweyo, banyuliweyo, bathembekileyo.

15Sithi kum, Amanzi owawabonayo, apho lihleli khona ihenyukazi, ngabantu, nezihlwele, neentlanga, neelwimi;

16iimpondo ezilishumi owazibonayo ziserhamncweni, ngabo baya kulithiya ihenyukazi, baliphanzise, balihlube, bayidle inyama yalo, balitshise ngomlilo.

17Kuba uThixo ubeke ezintliziyweni zabo ukwenza ingcinga yakhe, benze ngcinga-nye, babunike irhamncwa ubukumkani babo, ade azaliseke amazwi kaThixo.

18Inkazana owayibonayo nguloo mzi mkhulu, ulawula ookumkani bomhlaba.

IsiTyhilelo 18

Ukuwa komzi omkhulu

1Ndaza emva koko ndabona isithunywa sezulu sisihla, siphuma ezulwini, sinegunya elikhulu; umhlaba wakhanyiselwa bubuqaqawuli baso.

2Sadanduluka ngamandla, ngezwi elikhulu, sisithi: Iwile, iwile iBhabheli enkulu, Yaba likhaya leedemon, nentolongo yoomoya bonke abangcolileyo, Nentolongo yeentaka zonke ezingcolileyo, ezithiyekileyo.

3Ngokuba zonke iintlanga zisele kuyo iwayini yomsindo wobuhenyu bayo, Nookumkani bomhlaba bahenyuza nayo, Nabarhwebi bomhlaba baba zizityebi, ngamandla okuxhamla kwabo iziyolo zayo.

4Ndeva elinye izwi liphuma emazulwini lisithi: Phumani kuyo, bantu bam, Ukuze ningadlelani nayo ngezono zayo, Nokuze ningamkeliswa kwizibetho zayo.

5Ngokuba izono zayo ziye zafikelela emazulwini, Nezinto zayo zokungalungisi uzikhumbule uThixo.

6Yibuyekezeni, njengoko nayo yanibuyekezayo, Niyiphinde impinda ngokwemisebenzi yayo; Indebe eyaniphithikezela yona, yiphithikezeleni impinda nani.

7Yinikeni intuthumbo nesijwili, ngangoko yazizukisayo, yaxhamla iziyolo. Ngokuba ithi entliziyweni yayo, Ndihleli ndingukumkanikazi, Andimhlolokazi, andisayi kubona sijwili.

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

8Ngenxa yoko ziya kufika ngamininye izibetho zayo, Ukufa, nesijwili, nendlala. Iya kutsha ngumlilo, Ngokuba ligorha iNkosi uThixo, lowo uyigwebayo.

9OoKumkani bomhlaba, abo bahenyuza nayo, baxhamla iziyolo nayo, baya kuyililela, Bayimbambazelele, bakuwubona umsi wokutsha kwayo;

10Bemi kude, ngenxa yokoyika intuthumbo yayo, Besithi, Yeha, yeha, mzi mkhulu Bhabheli, mzi unamandla! Ngokuba kufike ngaxa linye ukugwetywa kwakho.

11Nabarhwebi bomhlaba baya kulila, benzé isijwili ngenxa yayo, Ngokuba ingasathengwa bani impahla yabo yomkhombe:

12Impahla yegolide, neyesilivere, neyelitye elinqabileyo, neyeeperile, Neyelinen ecikizekileyo, neyeengubo ezibomvu, neyesilika, neyeengubo ezimfusa, Nomthi wonke ongumsedare, Nezitya zonke zeempondo zeendlovu, Nezitya zonke zomthi onqabileyo kakhulu, Nezobhedu, nezentsimbi, nezemarmore,

13Nesinamon, neziqhumiso, namafutha aqholiweyo, nentlaka emhlophe, Newayini, neoli, nomgubo ocoliweyo, nengqolowa, Namaqegu, nezimvu, namahashe, neenqwelo, Nemizimba nemiphefumlo yabantu.

14Neziqhamo ezikhanukwa ngumphefumlo wakho zimkile kuwe, Nazo zonke izinto ezityebileyo neziqaqambileyo zimkile kuwe; Akusayi kuba sazifumana zona.

15Abarhwebi bezo zinto, abo batyeba ngayo, Baya kuma kude, ngenxa yokoyika intuthumbo yayo,

16Belila, besenza isijwili, besithi, Yeha, yeha, mzi mkhulu Owawuthiwe wambu ngelinen ecikizekileyo, nengubo ebomvu, nengubo emfusa, Uhonjiswe ngegolide, namatye anqabileyo, neeperile! Ngokuba buphanziswe ngalixa linye ubutyebi obungaka.

17Bonke abaqhubi-mikhombe, nayo yonke indibandiba esezinqanaweni, Noomateloshe, nabo bonke abasebenza elwandle,

18Bema kude, bamana bedanduluka, bakuwubona umsi wokutsha kwayo, Besithi, Nguwuphi na ofana nalo mzi mkhulu?

19Bagalela uthuli entloko, Bamana bedanduluka, belila, besenza isijwili, Besithi, Yeha, yeha, mzi mkhulu, Apho baba nobutyebi khona bonke aba baneenqanawa elwandle, ngeento ezinqabileyo zawo! Ngokuba ngalixa linye úphanzisiwe.

20Wénzele imihlali, nina mazulu, Nani bapostile bangcwele, nani baprofeti; Ngokuba uThixo eniphindezelele kuwo.

21Saza isithunywa esithile esinamandla safunqula ilitye, langa lilitye lokusila, ukuba likhulu kwalo; saliphosa elwandle, sisithi: Iya kwenjiwa nje ke ukugadlelwa kwayo iBhabheli, umzi omkhulu, ingabi saba safunyanwa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

22Isandi sababethi beehadi, neseemvumi, nesabagwali, nesabavuthelimaxilongo, asisayi kuba saviwa kuwe; Neengcibi zonke zobungcibi bonke azisayi kuba safunyanwa kuwe; Nesandi selitye lokusila asisayi kuba saviwa kuwe;

23Nokukhanya kwesibane akusayi kuba sakhanya kuwe; Nezwi lomyeni nelomtshakazi alisayi kuba saviwa kuwe; Ngokuba abarhwebi bakho bebengamanene omhlaba; Ngokuba zonke iintlanga zalahlekiswa kukukhafula kwakho.

24Kuwo kwafunyanwa igazi labaprofeti, nelabangcwele, Nelabo bonke abasikiweyo emhlabeni.

IsiTyhilelo 19

Uloyiso ezulwini nomsitho weMvana

1Ndaza emva koko ndeva sanga sisandi esikhulu sesihlwele esikhulu emazulwini, sisithi: Haleluya! Usindiso, nozuko, nembeko, namandla NgaweNkosi uThixo wethu!

2Ngokuba iyinyaniso, inobulungisa, imigwebo yayo;

3Ngokuba ihenyukazi elikhulu, elo laliwonakalisa umhlaba ngobuhenyu balo, iligwebile, Igazi labakhonzi bayo yaliphindezelela esandleni salo. Bathi okwesibini: Haleluya! Umsi walo unyuka use emaphakadeni asemaphakadeni.

4Awa amadoda amakhulu, angamashumi amabini anamané, nezinto eziphilileyo zoné, zaqubuda kuye uThixo ohleli phezu kwetrone, zisithi: Amen!

5Haleluya! Kwaphuma izwi etroneni, lisithi: Mdumiseni uThixo wethu, nonke nina bakhonzi bakhe, Nani bamoyikayo, abancinane kwanabakhulu.

6Ndeva sanga sisandi sesihlwele esikhulu, sanga sisandi samanzi amaninzi, sanga sisandi seendudumo ezinkulu, sisithi: Haleluya! Ngokuba iNkosi uThixo uSomandla inguKumkani.

7Masivuye sigcobe, siyizukise; Ngokuba ufikile umsitho weMvana, Umfazi wayo uzilungisile.

8Wanikwa ukuba athiwe wambu ngelinen ecikizekileyo, emhlophe, eqaqambileyo; kuba ilinen ecikizekileyo yimisebenzi yobulungisa yabangcwele.

9Sithi kum, Bhala, uthi, Banoyolo abo bamenyelwe esidlweni somsitho weMvana. Sithi kum, Lawo ngamazwi ayinyaniso kaThixo.

10Ndawa ezinyaweni zaso, ukuba ndiqubude kuso. Sithi kum, Lumka, ungenjenjalo; ndingumkhonzi kunye nawe, nabazalwana bakho abanobungqina bukaYesu; qubuda kuThixo; kuba ubungqina bukaYesu bungumoya wesiprofeto.

UKristu onguMoyisi

© 1975 Bible Society of South Africa.

11Ndalibona izulu livulekile, nalo ihashe elimhlophe; lowo uhleli phezu kwalo kusithiwa, nguThembekile, nguNyaniso; ugweba, enze imfazwe, ngobulungisa.

12Amehlo akhe ke aye enjengelangatye lomlilo, entloko izizithsaba ezininzi; enegama libhaliwe, elingàziwa namnye ungenguye.

13Yena wayethiwe wambu ngengubo ethiwe nkxu egazini; igama lakhe kuthiwa nguLizwi likaThixo.

14Yaye imikhosi esemazulwini imlandela, ikumahashe amhlophe, bambethe ilinen ecikizekileyo, eqaqambileyo, emhlophe.

15Emlonyeni wakhe kuphuma ikrele elibukhali, ukuze azithi qwaka ngalo iintlanga. Yena uya kuzalúsa ngentonga yentsimbi; yena unyathela isixovulelo sewayini yomsindo neyengqumbo kaThixo uSomandla.

16Engutyeni yakhe nasethangéni lakhe wayenegama libhaliwe kwathiwa, UKUMKANI KAKUMKANI, UNKOSI KANKOSI.

Ukubulawa kweentshaba zikaKristu

17Ndabona sithunywa sithile sasezulwini, simi elangeni; sadanduluka ngezwi elikhulu, sisithi kuzo zonke iintaka eziphaphazelayo esazulwini sezulu, Yizani nizihlanganisele esidlweni sikaThixo omkhulu;

18ukuze nidle inyama yookumkani, nenyama yabathetheli-waka, nenyama yamagorha, nenyama yamahashe, neyabakhweli bawo, nenyama yabo bonke abakhululekileyo nabangamakhoboka, neyabancinane neyabakhulu.

19Ndalibona irhamncwa, nookumkani bomhlaba, nemikhosi yabo, ihlanganisene ukwenza imfazwe nalowo uhleli ehasheni, nomkhosi wakhe.

20Labanjwa ke irhamncwa; kunye nalo kwabanjwa umprofeti obuxoki, lowo wayenzayo imiqondiso emehlweni alo, wabalahlekisa ngayo abo balwamkeláyo uphawu lwerhamncwa, nabo báqubuda kuwo umfanekiselo walo; baphoswa behleli abo bababini edikeni lomlilo elivutha isulfure.

21Abaseleyo babulawa ngekrele lalowo uhleli ehasheni, ikrele elo luphumayo emlonyeni wakhe; zathi zonke iintaka zahlutha yinyama yabo.

IsiTyhilelo 20

Ukukhonkxwa kukaSathana iminyaka eliwaka

1Ndabona isithunywa sezulu, sisihla siphuma emazulwini, sinesitshixo senzonzobila, nomxokelelwane omkhulu esandleni saso.

2Sayibamba inamba, loo nyoka yakudala enguMtyholi, uSathana ke, sayikhonkxa iminyaka eliwaka.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Sayiphosa enzonzobileni, sayivalela, satywina ngaphezu kwayo, ukuze ingabi sazilahlekisa iintlanga, ide izaliseke iminyaka eliwaka; emva koko imelwe kukukhululwa ixeshana elincinane.

4Ndabona iitrone, nabahleli phezu kwazo, banikwa ugwebo. Ndayibona imiphefumlo yababenqunyulwe iintloko ngezembe, ngenxa yobungqina bukaYesu, nangenxa yelizwi likaThixo, abasukuba bengalinqulanga irhamncwa nomfanekiselo walo, abangalwamkelanga uphawu lwalo ebunzini nasesandleni sabo; bádla ubomi, baba ngookumkani kunye noKristu iminyaka eliwaka.

5Ke abafileyo abaseleyo ababuyanga badle bomi, yada yazaliseka iminyaka eliwaka.

6Olo lúvuko lokuqala. Únoyolo, ungcwele, lowo unesabelo eluvukweni lokuqala; ukufa kwesibini akunagunya kubo abanjalo; baya kusuka babe ngababingeleli bakaThixo nabakaKristu, babe ngookumkani kunye naye iminyaka eliwaka.

Ukukhululwa kukaSathana nemfazwe yokugqibela

7Xa ithe yazaliseka iminyaka eliwaka, uSathana wokhululwa entolongweni yakhe;

8aphume, aye kuzilahlekisa iintlanga ezisezimbombeni eziné zehlabathi, uGogi noMagogi, ukubahlanganisela emfazweni, ábanani labo lingangentlabathi yaselwandle.

9Banyuka, baya kububanzi behlabathi, bayirhawula inqaba yomkhosi wabangcwele, nomzi othandiweyo; kwehla umlilo uvela kuThixo, uphuma ezulwini, wabadla wabagqiba.

10UMtyholi lowo ubalahlekisayo waphoswa edikeni lomlilo nesulfure, apho likhona irhamncwa nomprofeti obuxoki; baya kuthuthunjelwa imini nobusuku, kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

Uvuko lwabafileyo nomgwebo wokugqibela

11Ndabona itrone emhlophe enkulu, nalowo uhleli phezu kwayo, owathi umhlaba nezulu wasaba ebusweni bakhe, azafunyanelwa ndawo ezo zinto.

12Ndababona abafileyo, abancinane nabakhulu, bemi phambi koThixo. Zavulwa iincwadi; kwavulwa nenye incwadi, eyeyobomi; bagwetywa abafileyo ngokubhaliweyo ezincwadini ezo, ngokwemisebenzi yabo.

13Lwathi ulwandle lwabakhupha abafileyo abakulo, kwathi ukufa nelabafileyo kwabakhupha abafileyo abakhona; bagwetywa elowo ngokwemisebenzi yakhe.

14Kwaza ukufa nelabafileyo kwaphoswa edikeni lomlilo.

15Oko kukufa kwesibini. Wathi ongafunyanwanga ebhaliwe encwadini yobomi, waphoswa edikeni lomlilo.

IsiTyhilelo 21

Izulu elitsha nomhlaba omtsha

© 1975 Bible Society of South Africa.
bible society
of south africa

1Ndabona izulu elitsha, nomhlaba omtsha; kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba udlule, nolwandle alusekho.

2Ndaza mna, Yohane, ndawubona umzi ongcwele, iYerusalem entsha, usihla uvela kuThixo, uphuma emazulwini, ulungisiwe njengomtshakazi ehonjiselwe indoda yakhe.

3Ndeva izwi elikhulu liphuma emazulwini, lisithi: Yabona, umnquba lo kaThixo unabantu; Uya kuhlala nabo emnqubeni, Bona babe ngabantu bakhe, Yena uThixo abe nabo, enguThixo wabo;

4Azisule uThixo zonke iinyembezi emehlweni abo, Kungabi sabakho kufa, Kungabi sabakho nasijwili, nakukhala, nantlungu; Ngokuba izinto zokuqala zigqithile.

5Waza lowo uhleli phezu kwetrone wathi, Ùyabona, izinto zonke ndizenza ntsha. Athi kum, Bhala; ngokuba lawo ngamazwi ayinyaniso, athembekileyo.

6Wathi kum, Kwenzekile; mna ndinguAlfa no-Omega, isiqalo nesiphelo; mna ndomnika lowo unxaniweyo emthonjeni wamanzi obomi, ngesisa.

7Lowo weyisayo uya kuzidla ilifa izinto zonke; ndiya kuba nguThixo wakhe, yena abe ngunyana wam.

8Ke wona amagwala, nabangakholwayo, nabangamasikizi, nababulali, nabenzi bombulo, nabakhafuli, nabakhonzi bezithixo, nawo onke amaxoki, isabelo sawo siya kuba sedikeni elivutha umlilo nesulfure. Oko kukufa kwesibini.

IYerusalem yasezulwini

9Kwaza kweza kum esinye sezithunywa zezulu ezisixhenxe, ezineengqayi ezisixhenxe, ezizele zizibetho zosixhenxe zokugqibela, sathetha nam sisithi, Yiza apha, ndikubonise umtshakazi, umfazi wayo iMvana.

10Sandísa ndikuMoya entabeni enkulu, ephakamileyo, sandibonisa umzi omkhulu, iYerusalem engcwele, usihla uphuma emazulwini, uvela kuThixo,

11unobuqaqawuli bukaThixo; isikhanyiso sawo sifana nelitye elinqabileyo kakhulu, langa lilitye leyaspisi ebengezela njengekristale.

12Kananjalo unodonga olukhulu oluphakamileyo. Unamasango alishumi elinamabini, phezu kwamasango unezithunywa zezulu ezilishumi elinazibini; kubhalwe kuwo amagama angawezizwe ezilishumi elinazibini zoonyana bakaSirayeli;

13ngasempumalanga ingamasango mathathu, ngasentla ingamasango mathathu, ngasezantsi ingamasango mathathu, ngasentshonalanga ingamasango mathathu.

14Udonga lomzi lunamatye eziseko alishumi elinamabini, kuwo ingamagama abapostile abalishumi elinababini bayo iMvana.

© 1975 Bible Society of South Africa.

15Lowo ubethetha nam wayenengcongolo yegolide, ukuba awulinganise umzi lowo, namasango awo, nodonga lwawo.

16Umzi lowo umbombo-né ukuma kwawo; ubude bawo bungangobubanzi bawo. Wawulinganisa umzi lowo ngengcongolo, wazitadiya ezilishumi linazibini lamawaka; ubude nobubanzi nokuphakama kwawo kuyalingana.

17Walulinganisa nodonga lwawo, ikhulu elinamanci mané anesiné leekubhite, ngokomlinganiso womntu, oko kukuthi, wesithunywa sezulu.

18Isakhiwo sodonga lwawo yiyaspisi; umzi yigolide engcwengekileyo, efana negilasi ebonakalelayo,

19Namatye eziseko zodonga lomzi ayevathiswe ngamatye onke anqabileyo. Elokuqala ilitye lesiseko yiyaspisi, elesibini yisafire, elesithathu yikalikedo, elesiné yismarado, elesihlanu yisardonisi,

20elesithandathu yisardiyo, elesixhenxe yikrizolite, elesibhozo yibherilo, elesithoba yitopazi, eleshumi yikrizoprazi, eleshumi elinalinye yihakinto, eleshumi elinambini yiametiste.

21Namasango lawo alishumi elinamabini aziiperile ezilishumi elinambini, lalelo isango ngalinye lenziwe ngaperile-nye; nesitrato somzi yigolide engcwengekileyo, njengegilasi ebonakalelayo.

22Andibonanga tempile kuwo, kuba iNkosi uThixo uSomandla nayo iMvana yitempile yawo.

23Umzi lowo awufuni langa, kwanayo inyanga, kuba ubuqaqawuli bukaThixo buwukhanyisela, nayo iMvana isisibane sawo.

24Iintlanga zabo basindisváyo ziya kuhamba ekukhanyeni kwawo; ookumkani bomhlaba bazise kuwo uzuko nembeko yabo.

25Amasango awo akasayi kuvalwa mini (kuba ubusuku abuyi kubakho khona).

26Baya kuzisa uzuko nembeko yeentlanga ezo kuwo.

27Akusayi kungena kuwo nanye into eyenza inqambi, eyenza isikizi, nobuxoki; ábaya kungena ngabo bodwa babhalwe encwadini yobomi yeMvana.

IsiTyhilelo 22

1Saza sandibonisa umlambo wamanzi obomi, uqaqambile, ngathi ngumkhenkce, uphuma etroneni kaThixo neyeMvana.

2Phakathi kwesitrato sawo, ngapha nangapha komlambo, ngumthi wobomi, ovelisa iintlobo zeziqhamo ezilishumi elinambini, unika iinyanga ngeenyanga zonke isiqhamo sawo; aye amagqabi omthi lowo engawokuphilisa iintlanga.

© 1975 Bible Society of South Africa.

3Akusayi kuba sabakho nasinye isiqalekiso; yaye itrone kaThixo neyeMvana iya kubakho kuwo; abakhonzi bakhe bamkhonze,

4babubone ubuso bakhe, negama lakhe libe semabunzini abo.

5Akuyi kubakho busuku khona; àbafuni sibane, nakukhanya kwelanga, ngokuba iNkosi uThixo ibakhanyisela; baya kuba ngookumkani, kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

Isiphelo

6Saza sathi kum, La mazwi athembekile, ayinyaniso; iNkosi, uThixo wabaprofeti abangcwele, yathuma isithunywa sayo sasemazulwini ukubabonisa abakhonzi bayo izinto ezimele ukubakho kamsinya.

7Yabona, ndiyeza kamsinya; únoyolo lowo uwagcinayo amazwi esiprofeto sayo le ncwadi.

8Mna, Yohane, ndingulowo ubezibona ezi zinto, eziva; ndathi ndakuva, ndakubona, ndawa ndaqubuda phambi kweenyawo zesithunywa sezulu esandibonisa ezi zinto.

9Sithi kum, Lumka, ungenjenjalo; kuba ndingumkhonzi kunye nawe, nabazalwana bakho abaprofeti, nabo bawagcinayo amazwi ale ncwadi; qubuda kuThixo.

10Sithi kum, Musa ukuwatywina amazwi esiprofeto sale ncwadi; ngokuba ixesha likufuphi.

11Lowo ungalungisiyo, makaselehlala engalungisi; lowo uyinyhukunyhuku, makaselehlala eyinyhukunyhuku; nolilungisa makaselehlala elungisa; nongcwele makaselehlala ezingcwalisile.

12Yabona, ndiyeza kamsinya; umvuzo wam unam, ukuba ndivuze elowo njengoko umsebenzi wakhe uya kuba njalo.

13Mna ndinguAlfa no-Omega, isiqalo nesiphelo, owokuqala nowokugqibela.

14Banoyolo abo bayenzayo imithetho yakhe, ukuze igunya labo libe semthini wobomi, bangene ngamasango kuwo umzi.

15Ngaphandle ke zizinja, nabakhafuli, nabenzi bombulo, nababulali, nabakhonzi bezithixo, nabo bonke ababuthandayo, ababenzayo ubuxoki.

16Mna, Yesu, ndasithuma isithunywa sam sasemazulwini, ukuba ndizingqine kuni ezi zinto ngawo amabandla. Mna ndiyingcambu nenzala kaDavide, ikhwezi eliqaqambileyo lokusa.

17UMoya nomtshakazi bathi, Yiza. Lowo uvayo makathi, Yiza. Lowo unxaniweyo makeze; lowo uthandayo, makawathabathe amanzi obomi ngesisa.

© 1975 Bible Society of South Africa.

18Kuba ndiyangqina kubantu bonke abawevayo amazwi esiprofeto sale ncwadi, ukuba, Xa athe umntu wongeza kwezo zinto, uThixo uya kongeza kuye izibetho ezibhaliweyo kule ncwadi;

19ukuba ke uthe umntu wasusa kuwo amazwi encwadi yesi siprofeto, uThixo uya kusisusa isabelo sakhe encwadini yobomi, nakuwo umzi ongcwele, nakuzo izinto ezibhaliweyo kule ncwadi.

20Uthi lowo uzingqinayo ezi zinto, Ewe, ndiyeza kamsinya. Amen. Ewe, yiza, Nkosi Yesu.

21Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu malube nani nonke. Amen. ISIPHELO

© 1975 Bible Society of South Africa.

Esclarecimento

Trata-se de iniciativa particular, com os seguintes objetivos: (i) colaborar para divulgação dos diversos textos bíblicos disponíveis, e, (ii) facilitar o acesso a esses textos, inclusive por meio de download.

Todo esforço em tornar a Palavra de Deus acessível a todos, em quaisquer localidades e falantes das mais diversas línguas, precisa ser um objetivo de todos os que são guiados pelo Espírito Santo. Ele inspirou o profeta Jeremias a dizer "não ensinará jamais cada um ao seu próximo, nem cada um ao seu irmão, dizendo: Conhece ao SENHOR, porque todos me conhecerão, desde o menor até ao maior deles, diz o SENHOR" (Jer. 31:34).

Jesus, também, falou assim: "e será pregado este evangelho do reino por todo o mundo, para testemunho a todas as nações" (Mat. 24:14).

Muitas organizações foram constituídas com o propósito de fazer a Bíblia disponível nas diversas línguas. Não é uma tarefa simples. Anos de trabalho, dedicação e entrega são necessários para esta tão extraordinária missão.

O texto deste trabalho está disponível na internet, em páginas eletrônicas de organizações que produzem ou divulgam bíblias, sem acréscimos de notas ou comentários. Assim, reconhecendo e respeitando os direitos que possuem sobre seus trabalhos, incumbe a todos os que amam a Palavra de Deus, o esforço em contribuir para amplificar sua divulgação.

Se possível, faça download do texto, para que sejamos, também, guardiões da Bíblia, e, com isso, preservando-a para as futuras gerações.

Divulga a Palavra de Deus, ela mostra o Caminho e permite a todos, que se conheça Sua vontade, em todos os lugares e épocas.

Marcel da Glória Pereira

2021, Vitória/ES - Brasil

Capa: Pôr do sol. Trata-se de imagem disponibilizada na internet, dentre as que não informam haver restrição ao uso.